Bible. Xosa. (1906.)

INCWADI

YEZIBÀLO EZINGCWELE,

IZE-

ZE-TESTAMENTE ENDALA

NE-

ZE-TESTAMENTE ENTSHA.

KUKÚNYUSHWE ISI-HEBERE NESI-GRIKE ESO ZABÀLWA NGASO MHLA MNENE.

LONDON:
BRITISH AND FOREIGN BIBLE SOCIETY.
1906

Digitized by Google

AMAGAMA

ENCWADI ZONKE ZE-TESTAMENTE ENDALA, NENANI LEZIQENDU ZAZO.

	IZIQENDU		IZIQENDU
I-Genesis	50	Intshumayeli	12
I-Esodus	40	Ingoma yazo ingoma	8
I-Levitikus	27	U-Yesaya	66
I-Numeri	36	U-Yeremiya	52
I-Duteronomi	34	Izililo	5
U-Yoshuwa	24	U-Hezekeli	48
Abagwebi	21	U-Daniyeli	12
U-Ruti	4	U-Hoseya	14
Eyokuqala ka-Samuweli	31	U-Yoweli	3
Eyesibini ka-Samuweli	24	U-Amos	9
Eyokuqala yokumkani	22	U-Obadiya	1
Eyesibini yokumkani	25	U-Yona	4
Eyokuqala yezikronike	29	U-Mika	7
Eyesibini yezikronike	36	U-Nahum	3
U-Ezra	10	U-Habakuki	3
U-Nehemiya	13	U-Tsefaniya	3
U-Estere	10	U-Hagayi	2
U-Yobi	42	U-Zekariya	14
Induniso	150	U-Malaki	4
Imizekeliso	31		

AMAGAMA

ENCWADI ZONKE ZE-TESTAMENTE ENTSHA,

NENANI LEZIQENDU ZAZO.

	INEZIQENDU		INEZIQENDU
I-vangeli ngokubâlwe ngu-Mateyu	28	Incwadi yesibini ka-Paulos kwabase-Tesalonika	3
I-vangeli ngokubâlwe ngu-Marko	16	Incwadi yokuqala ka-Paulos ku-Timoti	6
I-vangeli ngokubâlwe ngu-Luka	24	Incwadi yesibini ka-Paulos ku-Timoti	4
I-vangeli ngokubâlwe ngu-Yohane	21	Incwadi ka-Paulos ku-Tito	3
Izenzo zaba-postile	28	Incwadi ka-Paulos ku-Filemon	1
Incwadi ka-Paulos kwabase-Roma	16	Incwadi ka-Paulos kuma-Hebere	13
Incwadi yokuqala ka-Paulos kwabase-Korinte	16	Incwadi ka-Yakobi	5
Incwadi yesibini ka-Paulos kwabase-Korinte	13	Incwadi yokuqala ka-Petros	5
Incwadi ka-Paulos kuma-Galati	6	Incwadi yesibini ka-Petros	3
Incwadi ka-Paulos kwabase-Efeso	6	Incwadi yokuqala ka-Yohane	5
Incwadi ka-Paulos kwabakwa-Filipu	4	Incwadi yesibini ka-Yohane	1
Incwadi ka-Paulos kwabase-Kolose	4	Incwadi yesitâtû ka-Yohane	1
Incwadi yokuqala ka-Paulos kwabase-Tesalonika	5	Incwadi ka-Yuda	1
		Isityilelo sika-Yohane	22

Digitized by

INCWADI YOKUQALA KA-MOSES,

LEYO KUTIWA

YI-GENESIS.

ISIQENDU I.

EKUQALEKENI u-Tixo wadala izulu eli nomhlaba-lo,

2 Ke emhlabeni-lo kwakusenyanyeni kuselubala; kwakumnyama pezu kwamanzi enzonzobila. U-Moya ka-Tixo wafukama pezu kwamanzi-lawo.

3 Watï u-Tixo, Makubekô ukukânya. Kwabakô-ke ukukânya.

4 Wakubona-ke u-Tixo ukukânya ukuba kulungile, wahlula u-Tixo pâkatï kokukânya nobumnyama.

5 Watï u-Tixo ukukânya yimini, watï ubumnyama busuku. Kwahlwa kwasa: yangumhla wokuqala.

6 Watï u-Tixo, Makubekô isibâkabâka pâkatï kwawo amanzi, sibe ngumahlulo wokwahlula amanzi kumanzi.

7 Wasenza u-Tixo isibâkabâka, wawahlula amanzi angapântsi kwesibâkabâka kuwo amanzi angapezu kwesibâkabâka. Kwaba njalo.

8 Watï u-Tixo isibâkabâka ngamazulu. Kwahlwa kwasa: yangumhla wesibini.

9 Watï u-Tixo, Amanzi angapântsi kwamazulu makahlanganiselwe ndaweni-nye, kubonakale okomileyo. Kwaba njalo.

10 Watï u-Tixo okomileyo ngumhlaba, watï intlanganisela yamanzi zilwandle. Wabona u-Tixo ukuba kulungile.

11 Watï u-Tixo, Umhlaba mawupûme uhlaza, imifuno evelisa imbewu, imitï yeziqâmo, eyenza iziqâmo ngohlobo lwayo, embewu ikuyo, emhlabeni. Kwaba njalo.

12 Umhlaba wapûma uhlaza, nemifuno evelisa imbewu ngohlobo lwayo, nemitï eyenza iziqâmo, embewu ikuyo ngohlobo lwayo. Wabona u-Tixo ukuba kulungile.

13 Kwahlwa kwasa: yangumhla wesitâtû.

14 Watï u-Tixo, Makubekô izikânyiso esibâkabâkeni samazulu, zibe ngumahlulo wokwahlula imini kubusuku; zibe zezemiqondiso, zibe zezamaxesha amisiweyo, zibe zezemihla neminyaka;

15 Mazibe zikânyiso esibâkabâkeni samazulu, zikânyise emhlabeni. Kwaba njalo.

16 Wenza u-Tixo izikânyiso ezikûlu zazibini, esona sikûlu isikânyiso ukuba silaule imini, esona sincinane isikânyiso ukuba silaule ubusuku; wenza nenkwenkwezi.

17 Wazibeka u-Tixo esibâkabâkeni samazulu, ukuba zikânyise emhlabeni,

18 Zilaule imini nobusuku, zahlule ukukânya kubumnyama. Wabona u-Tixo ukuba kulungile.

19 Kwahlwa kwasa: yangumhla wesine.

20 Wati u-Tixo, Amanzi-la makanyakazele inyakanyaka, imipêfumlo epïlileyo; zitï nentaka zipâpâzele emhlabeni, esibâkabâkeni sezulu.

21 Wadala u-Tixo ominenga mikûlu, nayo yonke imipêfumlo epïlileyo enambûzelayo, awanyakazela ngayo amanzi ngohlobo lwayo, nentaka zonke ezinamapïko ngohlobo lwazo. Wabona u-Tixo ukuba kulungile.

22 Wazisikelela u-Tixo, esitï, Qâmani, nande, niwazalise amanzi aselwandle; zitï intaka zande emhlabeni.

23 Kwahlwa kwasa: yangumhla wesihlanu.

Digitized by Google

24 Watí u-Tíxo, Umhlaba mawupûme imipêfumlo epílileyo ngohlobo lwayo: izinto ezizitô zine nezinambûzane nezinto ezipílileyo zomhlaba ngohlobo lwazo. Kwaba njalo.

25 Wenza u-Tíxo izinto ezipílileyo zomhlaba ngohlobo lwazo, nezinto ezizitô zine ngohlobo lwazo, nazo zonke izinambûzane zomhlaba ngohlobo lwazo. Wabona u-Tíxo ukuba kulungile.

26 Watí u-Tíxo, Masenze umntu ngokomfanekiso wetû ngokufana nati, mababe nobukôsi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu nasezintweni ezizitô zine, nasemhlabeni wonke, nasezinambûzaneni zonke ezinambûzela emhlabeni.

27 Wamdala-ke u-Tíxo umntu ngokomfanekiso wakê; wamdala ngokomfanekiso ka-Tíxo; wadala indoda nenkazana.

28 Wabasikelela u-Tíxo, watí kubo u-Tíxo, Qâmani, nande, niwuzalise umhlaba niweyise; nibe nobukôsi ezintlanzini zolwandle, nasezintakeni zezulu, nasezintweni zonke ezipílileyo ezinambûzelayo emhlabeni.

29 Watí u-Tíxo, Yabonani, ndininikile yonke imifuno evelisa imbêwu, esemhlabeni wonke, nayo yonke imití, eneziqâmo zemití evelisa imbêwu: yoba kukudla kuni.

30 Nento zonke ezipílileyo zomhlaba nentaka zonke zezulu, nezinambûzane zonke ezisemhlabeni ezinompêfumlo opílileyo, ndiziniké yonke imifuno eluhlaza ukuba ibe kukudla. Kwaba njalo.

31 Wakubona u-Tíxo konke akwenzileyo, nanko kulungile kunene. Kwahlwa kwasa: yangumhla wesitândatû.

2 Agqitywa-ke amazulu nomhlaba, nawo wonke umkôsi wezonto.

2 Wawugqiba-ke u-Tíxo ngomhla wesixênxe umsebenzi wakê awawenzayo; wapûmla ngomhla wesixênxe kuwo wonke umsebenzi wakê awawenzayo.

3 Wawusikelela u-Tíxo umhla wesixênxe, wawungcwalisa; ngokuba wapûmla ngawo kuwo wonke umsebenzi wakê awawudalayo u-Tíxo wawenza.

4 Yiyo le-ke inzala yezulu nomhlaba ekudalweni kwezonto, mini wenza u-Yehova u-Tíxo umhlaba nezulu.

5 Onke amatyôlo asendle engekaveli emhlabeni, nayo yonke imifuno yasendle ingekantshuli, kuba u-Yehova u-Tíxo ebengekanisi mvula emhlabeni; kwaye kungekô nntu wokuwusebenza umhlaba.

6 Kwaye kunyuka inkungu ipûma emhlabeni, yawunyakamisa wonke umhlaba.

7 U-Yehova u-Tíxo wambumbâ umntu ngotûli lwasemhlabeni, wapêfumlela ematânêni akê impefumlo yobomi; umntu-ke waba ngumpêfumlo opílileyo.

8 U-Yehova u-Tíxo watyala umyezo e-Eden ngasempumalanga; wambeka kôna umntu abembumbîle.

9 U-Yehova u-Tíxo wantshulisa emhlabeni yonke imití enqwenelekayo ngokukângeleka, nelungele ukudliwa; nomtí wobomi emyezweni pâkatí, nomtí wokwazi okulungileyo nokubi.

10 Kwapûma umlambô e-Eden wokuwunyakamisa umyezo; wahluka apô, waba zibâxa ezine.

11 Igama lowokuqala yi-Pishon; nguwo lowo ujikeleze lonke ilizwe lase-Havila, apô ikôna i-golide.

12 I-golide yelolizwe intle, ikôna i-bedola nelitye le-berilo.

13 Igama lowesibini umlambô yi-Gihon, nguwo lowo ujikeleze lonke ilizwe lakwa-Kushi.

14 Igama lowesitatu umlambô yi-Hidekele, nguwo lowo uya pâmbí kwelakwa-Asuri. Owesine umlambô ngum-Efrati.

15 U-Yehova u-Tíxo wamtâbatâ umntu, wambeka emyezweni we-Eden, ukuba awusebenze, awugcine.

16 U-Yehova u-Tíxo wamwisela umtétô umntu, esitî, Yonke imitî yomyezo ungayidla uyidle;

17 Ke wona umtí wokwazi okulungileyo nokubi uz'ungawudli; kuba mhlana utê wawudla uya kufa.

18 Watí u-Yehova u-Tíxo, Akulungile ukuba umntu abe yedwa; ndiya kumenzela umncedi onguwabo.

19 U-Yehova u-Tíxo wabumbâ ngomhlaba zonke izinto ezipílileyo zasendle, nazo zonke intaka zezulu, wazisa kuye u-Adam ukubona ukuba wotí-nina ukuzibiza, ukuze oko azibize ngako u-Adam zonke izinto ezipílileyo, ibe ligama lazo elo.

20 Wazitiya amagama u-Adam zonke izinto ezizitô zine, nentaka zasezulwini nazo zonke izinto ezipílileyo zasendle; ke

Digitized by Google

u-Adam akafunyanelwanga mncedi unguwabo.

21 U-Yehova u-Tixo wawisa ubutongo obukulu pezu ko-Adam, walala. Watabata lwalunye ezimbanjeni zake, wavingca ngenyama esikundleni salo.

22 U-Yehova u-Tixo walwaka ubambo abelutabate ku-Adam, lwaba ngumfazi; wamzisa ku-Adam.

23 Watï u-Adam, Eli-ke ngoku litambo lasematanjeni am, yinyama yasenyameni yam; lo yena ukubizwa kotïwa ngumfazi, ngokuba etatyatwe endodeni.

24 Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina inamatele kumkayo, babe nyamanye-ke.

25 Baye bobabini behamba ze, umntu lowo nomkake, benge nazintloni.

3 Kekaloku inyoka yayi nobuqopolo ngapezu kwazo zonke izinto ezipïlileyo zasendle abezenzile u-Yehova u-Tixo. Yatï kumfazi, Utshilo-na okunene u-Tixo ukuti, Zeningadli kuyo yonke imitï yomyezo?

2 Watï umfazi kwinyoka, Eziqameni zemitï yomyezo singadla;

3 Ke eziqameni zomtï osemyezweni pakatï ute u-Tixo, Zeningadli kuzo, zeningazicukumisi, hleze nife.

4 Yatï inyoka kumfazi, Anisayi kufa:

5 Kuba esazi u-Tixo, ukuba mhlana nite nadla kuzo, oqabuka amehlo enu, nibe njengo-Tixo, nazi okulungileyo nokubi.

6 Wabona umfazi ukuba umtï ulungele ukudliwa, nokuba uyakanukeka emehlweni, ingumtï onqwenelekela ukuqiqisa, watabata eziqameni zawo, wadla; wanika nendoda yake inaye, yadla.

7 Aqabuka amehlo abo bobabini, bazi ukuba bahamba ze; batunga amagqabi omkïwane, bazenzela imibinqo.

8 Basiva isandi sika-Yehova u-Tixo ehamba emyezweni empepeni yasemini; basuka bazimela u-Adam nomkake ebusweni buka-Yehova u-Tixo pakatï kwemitï yomyezo.

9 U-Yehova u-Tixo wambiza u-Adam, watï kuye, Upïna?

10 Watï yena, Ndive isandi sako emyezweni, ndasuka ndoyika, ngokuba ndihamba ze; ndazimela.

11 Watï, Uxelelwe ngubanina, ukuba uhamba ze? Udlile-na kuwo umtï, endakuwisela umtetï ngawo ndati, Uz'ungadli kuwo?

12 Watï u-Adam, Umfazi owandinikayo ukuba abe nam, nguye ondinikileyo kuwo umtï, ndadla-ke.

13 Watï u-Yehova u-Tixo kumfazi, Yinto-nina lento uyenzileyo? Watï umfazi, Inyoka indilukuhlile, ndadla-ke.

14 Watï u-Yehova u-Tixo kwinyoka, Ngokuba uyenzile lento, uqalekisiwe wena ngapezu kwezinto zonke ezitï zine, nento zonke ezipïlileyo zasendle; uya kuhamba ngesisu, udle utuli yonke imihla yobomi bako.

15 Ndiya kumisa ubutshaba pakatï kwako nomfazi, napakatï kwembewu yako nembewu yake; yona iya kukutyumza intloko, wena uya kuyityumza isitende.

16 Watï kumfazi, Ndiya kukwandisa kakulu ukubulaleka kwako ekumitëni, uzale abantwana unembulaleko; inkanuko yako ibe sendodeni yako, ikulaule yona.

17 Ku-Adam watï, Ngokuba upulapule izwi lomkako, wadla kuwo umti endakuwisela umtetï ngawo, ndatï, Uz'ungadli kuwo; uqalekisiwe umhlaba ngenxa yako, uya kudla kuwo ubulaleka yonke imihla yobomi bako.

18 Uya kukuntshulela imitana enameva nenkunzane, udle umfuno wasendle.

19 Uya kudla ukudla kokubila kobuso bako, ude ubuyele emhlabeni, kuba utatyatwe kuwo; ngokuba ulutuli, uya kubuyela kwaselutulini.

20 U-Adam walibiza igama lomkake ngokuti ngu-Eva,[1] ngokuba yena engunina wabapïlileyo bonke.

21 U-Yehova u-Tixo wabenzela ingubo zezintsu u-Adam nomkake, wabambatïsa.

22 Watï u-Yehova u-Tixo, Yabonani, umntu usuke waba njengomnye wetu, ukwazi okulungileyo nokubi; hleze-ke olule isandla sake, atabate nakuwo umtï wobomi, adle, apïle ngonapakade:

23 U-Yehova u-Tixo wamndulula emyezweni we-Eden, ukuba asebenze umhlaba abetatyatwe kuwo.

24 Wamgxota-ke umntu; wamisa ngasempumalanga kuwo umyezo we-Eden i-kerubi, nelangatye lerele elijikajikayo lokugcina indlela eya emtïni wobomi.

[1] U-Bomi.

Digitized by Google

4 Kekaloku, u-Adam wamazi u-Eva umkakê; wamitâ, wazala u-Kayin,[1] watî, Ndizuze indoda ngo-Yehova.

2 Wapinda wazala umninawe wakê u-Abeli[2]; u-Abeli waba ngumalûsi wezimvu, U-Kayin waba ngumsebenzi womhlaba.

3 Kwatî ekupêleni kwamihla itîle u-Kayin watâbatâ eziqâmeni zomhlaba, wazisa umnikelo ku-Yehova.

4 U-Abeli wazisa naye, etâbatê kumazibulo ezimvu zakê, kwezinamanqatâ. Waza u-Yehova wambêka u-Abeli nomnikelo wakê,

5 Akambêka u-Kayin nomnikelo wakê. Waqumbâ kunene u-Kayin, basangana ubuso bakê.

6 Watî u-Yehova ku-Kayin, Yinina ukuba uqumbê, yinina ukuba busangane ubuso bakô?

7 Ukuba utê walungisa, abukuswabuluka ubuso yinina? Ukuba utê akwalungisa, ísono sibutumile ngasesangweni; sinxâmele wena; ke wena silaule.

8 Watétâ u-Kayin no-Abeli umninawe wakê, kwatî besendle, wesuka u-Kayin wamvunukela u-Abeli umninawe wakê, wambulala.

9 Watî u-Yehova ku-Kayin, Upîna u-Abeli umninawe wakô? Watî yena, Andazi; ndingumgcini womninawe wam yinina?

10 Watî, Wenze nto-nina? izwi legazi lomninawe wakô liyakâla emhlabeni kum.

11 Ngoko uqalekisiwe emhlabeni owakâmise umlomo wawô ukuba ulitâbatê igazi lomninawe wakô esandleni sakô.

12 Xenikweni uwusebenzayo umhlaba, awusokupînda ukunike amandla awo; uya kubâdula upâlapâle emhlabeni.

13 Watî u-Kayin ku-Yehova, Ityala lam likûlu ngokuntge nakutwalwa.

14 Yabona, undigxotile namhla pêzu komhlaba, ndiya kusitêla nasebusweni bakô; ndibâdule ndipâlapâle emhlabeni, batî bonke abantu abandifumanayo bandibulale.

15 Watî u-Yehova kuye, Xa kunjalo, bonke ababulala u-Kayin kopîndezelwa kubo kasixênxe. U-Yehova wammisela u-Kayin umqondiso, ukuze bonke abamfumanayo bangamsiki.

16 Wapûma u-Kayin, wemka ebusweni buka-Yehova; wahlala ezweni lakwa-Kupâlapâla pâmbî kwe-Eden.

17 U-Kayin wamazi umkakê, wamitâ, wazala u-Enoki. Wakâ umzi, wawutîya lomzi ngegama lonyana wakê u-Enoki.

18 U-Enoki wazalelwa u-Iradi; u-Iradi wazala u-Mehuyaheli; u-Mehuyaheli wazala u-Metusaheli; u-Metusaheli wazala u-Lameki.

19 U-Lameki wazeka abafazi ababini, igama lomnye belingu-Ada, igama lowesibini belingu-Tsila.

20 U-Ada wazala u-Yabali; yena waba nguyise wabahlala ezintenteni nabafuyileyo.

21 Igama lomninawe wakê belingu-Yubali; yena waba nguyise wabo bonke ababâtâ uhadi nogwali.

22 U-Tsila utê naye wazala u-Tubalekayin, obekânda yonke impahla enobukâli yobêdu nesinyiti; udade wo-Tubalekayin ebe ngu-Nahama.

23 Watî u-Lameki kubafazi bakê,
Ada no-Tsila, Liveni izwi lam!
Bafazi baka-Lameki, Pûlapûlani izwi lam!
Sendibulele indoda ngenxa yenxeba lam,
Nendodana ngenxa yomvumbô wam;

24 Xa u-Kayin aya kupîndezelwa kasixênxe,
Yena u-Lameki *uya kupindezelwa* kamashumi osixênxe anesixênxe.

25 U-Adam wabuya wamazi umkakê, wazala unyana, watî igama lake ngu-Sete,[1] kuba watî, U-Tîxo undimisele enye imbêwu esikundleni sika-Abeli owabulawa ngu-Kayin.

26 U-Sete naye wazalelwa unyana, watî igama lake ngu-Enoshe: Kwaqalwa oko ukunqulwa igama lika-Yehova.

5 Yiyo le incwadi yenzala ka-Adam. Mhlana u-Tîxo wamdala umntu, wamenza ngokufana no-Tîxo.

2 Wadala indoda nenkazana, wabasikelela, wabatîya igama elingu-Adam, mhlana wabadala.

3 U-Adam wahlala iminyaka elikûlu elinamanci matâtû, wazala *unyana* ngokufana naye, ngokomfanekiso wakê, wamtîya igama elingu-Sete.

4 Imihla ka-Adam emveni kokuzala

[1] U-Zuziweyo. [2] U-Mampunge.

[1] Um-Miselwa.

Digitized by Google

kwakê u-Sete yaba yiminyaka emakûlu asibôzo; wazala onyana nentombî.
5 Iyonke imihla ka-Adam, awahlala ngayo, yaba yiminyaka emakûlu asitoba, anamanci matâtû; wafa-ke.

6 U-Sete wahlala iminyaka elikûlu elinaminyaka mihlanu, wazala u-Enoshe.
7 U-Sete wahlala emveni kokuzala kwakê u-Enoshe iminyaka emakûlu asibôzo aneminyaka esixênxe; wazala onyana nentombî.
8 Iyonke imihla ka-Sete yaba yiminyaka emakûlu asitôba anashumi-nye linambini; wafa-ke.
9 U-Enoshe wahlala iminyaka emashumi asitôba, wazala u-Kenan.
10 U-Enoshe wahlala emveni kokuzala kwakê u-Kenan iminyaka emakûlu asibôzo anashumi-nye linamihlanu; wazala onyana nentombî.
11 Iyonke imihla ka-Enoshe yaba yiminyaka emakûlu asitôba anamihlanu; wafa-ke.

12 U-Kenan wahlala iminyaka emashumi asixênxe, wazala u-Mahalaleli.
13 U-Kenan wahlala emveni kokuzala kwakê u-Mahalaleli iminyaka emakûlu asibôzo anamanci mane; wazala onyana nentombî.
14 Iyonke imihla ka-Kenan yaba yiminyaka emakûlu asitôba, aneminyaka elishumi; wafa-ke.

15 U-Mahalaleli wahlala iminyaka emashumi matândatû anamihlanu, wazala u-Yerede.
16 U-Mahalaleli wahlala emveni kokuzala kwake u-Yerede iminyaka emakûlu asibôzo anamanci matâtû; wazala onyana nentombî.
17 Iyonke imihla ka-Mahalaleli yaba yiminyaka emakûlu asibôzo, anamanci asitôba anamihlanu; wafa-ke.

18 U-Yerede wahlala iminyaka elikûlu elinamanci matândatû anambini, wazala u-Enoki.
19 U-Yerede wahlala emveni kokuzala kwakê u-Enoki iminyaka emakûlu asibôzo; wazala onyana nentombî.
20 Iyonke imihla ka-Yerede yaba yiminyaka emakûlu asitôba anamanci matândatû anambini; wafa-ke.
21 U-Enoki wahlala iminyaka emashumi matândatû anamihlanu, wazala u-Metûsela.
22 U-Enoki wahambâ no-Tîxo, emveni kokuzala kwakê u-Metûsela, iminyaka emakûlu matâtû; wazala onyana nentombî.
23 Iyonke imihla ka-Enoki yaba yiminyaka emakûlu matâtû, anamanci matândatû anamihlanu.
24 U-Enoki wahambâ no-Tîxo; akabakô, ngokuba u-Tîxo wamtâbatâ.

25 U-Metûsela wahlala iminyaka elikûlu elinamanci asibôzo anesixênxe, wazala u-Lameki.
26 U-Metûsela wahlala emveni kokuzala kwakê u-Lameki iminyaka emakûlu asixênxe anamanci asibôzo anamibini; wazala onyana nentombî.
27 Iyonke imihla ka-Metûsela yaba yiminyaka emakûlu asitôba, anamanci matândatû anesitôba; wafa-ke.

28 U-Lameki wahlala iminyaka elikûlu elinamanci asibôzo anamibini; wazala unyana.
29 Wamtiya igama elingu-Nowa,[1] esitî, Lo uya kusitûtûzela emsebenzini wetû nasekubulalekeni kwezandla zetû, ngenxa yomhlaba awawuqalekisayo u-Yehova.
30 U-Lameki wahlala emveni kokuzala kwakê u-Nowa iminyaka emakûlu mahlanu anamanci asitôba anamihlanu; wazala onyana nentombî.
31 Iyonke imihla ka-Lameki yaba yiminyaka emakûlu asixênxe anamanci asixênxe anesixênxe; wafa-ke.

32 Ke u-Nowa ebe minyaka imakûlu mahlanu ezelwe; u-Nowa wazala o-Sem no-Ham no-Yafete.

6 Kutê bakuqal' ukwanda abantu emhlabeni, bakuzalelwa intombî,
2 Bazibona onyana baka-Tîxo intombî zabantu ukuba zintle, bazeka abafazi kuzo zonke abazinyulayo.
3 Watî u-Yehova, U-Moya wam awukulaula ebantwini ngonapâkade, ekulahlekeni kwabo bayinyama; imihla yabo iya kuba yiminyaka elikûlu elinamanci mabini.
4 Kwakukô izigebenga emhlabeni ngalomihla, kananjalo emveni koko, xeshi-

[1] U-Púmza.

Digitized by Google

kweni onyana baka-Tixo bangenayo kuzo intombi zabantu, zabazalela abantwana; aba baba ngamagofa abeko kwasepakadeni, amadoda adumileyo.

5 Wabona u-Tixo ukuba ububi babantu bandile emhlabeni, konke ukuyila kwengcinga zentliziyo yabo kubububi bodwa imihla yonke,

6 Wazohlwaya u-Yehova, ngokuba emenzile umntu emhlabeni, kwabuhlungu kuye entliziyweni.

7 Wati u-Yehova, Ndiya kumcima umntu endimdalileyo, angabiko emhlabeni, kutabatele emntwini kuse ezinkomeni, kuse ezinambuzaneni, kuse ezintakeni zasemazulwini, ngokuba ndizohlwaya, ngokuba ndizenzile ezonto.

8 U-Nowa yena wababalwa ngu-Yehova.

9 Yiyo le-ke inzala ka-Nowa. U-Nowa waye yindoda elilungisa egqibeleleyo ezizukulwaneni zake. U-Nowa wahamba no-Tixo.

10 U-Nowa wazala onyana abatatu: u-Sem no-Ham no-Yafete.

11 Umhlaba wawonakele ebusweni buka-Tixo; umhlaba wawuzele lugonyamelo.

12 U-Tixo wawukangela umhlaba, nango wonakele! ngokuba yonke inyama ibiyonakalisile indlela yayo emhlabeni.

13 Wati u-Tixo ku-Nowa, Isipelo senyama yonke sifikile pambi kwam; ngokuba umhlaba uzele lugonyamelo olupuma kubo; yabona-ke, ndiya kubonakalisa bona ndawonye nomhlaba.

14 Zenzele-ke umkombe ngemiti ye-gofere, uwenze izindlu umkombe, uwuqabe ngapakati nangapandle nge-asfalto.

15 Wenje nje ukuwenza: bube ngamakulu omatatu e-kubite[1] ubude bomkombe, namashumi omatatu e-kubite ububanzi bawo, namashumi omatatu e-kubite ukupakama kwawo.

16 Wenze iroba emkombeni, ukuligqiba kwako kube yi-kubite enye, etabatela pezulu; umnyango womkombe uwumise ecaleni lawo; wenze izindlu zodidi lwapantsi nolwesibini nolwesitatu.

17 Mna-ke, uyabona, ndihlisa unogumbe wamanzi emhlabeni, wokonakalisa yonke inyama enomoya wokupila kuyo epantsi kwamazulu; konke okusemhlabeni kuya kupuma umpefumlo.

18 Ndiwumise umnqopiso wam nawe; ungene emkombeni wena, nonyana bako, nomkako, nabafazi bonyana bako ndawonye nawe.

19 Kwinto zonke ezipilileyo, kwinyama yonke ungenise emkombeni ngambini kuzo zonke, ukuze zisindiswe nawe, ibe yinkunzi nemazi.

20 Kwintaka ngohlobo lwazo, kwinkomo ngohlobo lwazo, kuzo zonke izinambuzane zomhlaba ngohlobo lwazo, zibe ngambini kuzo zonke, eziya kungena kuwe, ukuba zisindiswe.

21 Wena-ke, utabatele kuwe ekudleni konke okudliwayo, uhlanganisele kuwe kube kukudla kuwe nakuzo.

22 Wenza u-Nowa konke u-Tixo abemwisele umtetо ngako, wenza njengoko.

7 Wati u-Yehova ku-Nowa, Ngena wena nendlu yako yonke emkombeni, ngokuba ndibona wena ilungisa pambi kwam kwesisizukulwana.

2 Kwizinto zonke ezizito zine ezihlambulukileyo tabatela kuwe ngasixenxe, ngasixenxe, inkunzi nemazi yayo; kwizinto ezizito zine ezizinqambi tabata ngambini, inkunzi nemazi yayo.

3 Nakwintaka zezulu ngasixenxe ngasixenxe, inkunzi nemazi, ukuze imbewu igcinakale emhlabeni wonke.

4 Kuba zisesixenxe intsuku, ndize ndinise imvula emhlabeni imini zibe mashumi mane nobusuku obumashumi mane, ndiyicime into yonke emiyo endayenzayo, ingabiko pezu komhlaba.

5 Wenza u-Nowa konke u-Yehova awamwisela umtetо ngako.

6 U-Nowa waye minyaka imakulu matandatu ezelwe, wabako unogumbe wamanzi emhlabeni.

7 Wangena u-Nowa, nonyana bake, nomkake, nabafazi bonyana bake, ndawonye naye emkombeni, ngenxa yamanzi onogumbe.

8 Kuzo izinto ezizito zine ezihlambulukileyo, nakuzo izinto ezizito zine ezizinqambi, nakuzo intaka, nakuzo zonke izinto ezinambuzelayo emhlabeni,

9 Kwangena ngambini ngambini ku-Nowa emkombeni, inkunzi nemazi, njengoko u-Tixo abemwisele umtetо u-Nowa.

[1] I-kubite esine zinyawo ezisixenxe.

Digitized by Google

10 Kwatî emva kwentsuku ezisixênxe amanzi onogumbê abakô emhlabeni.

11 Ngomnyaka wamakûlu omatândatû wokudla ubomi kuka-Nowa, ngenyanga yesibini, ngosuku lweshumi elinesixênxe enyangeni-leyo, kanye ngayo lomini, yagqabuka yonke imitômbô yamanzi enzonzobila enkulu, ingcango zamazulu zavuleka.

12 Wabakô umvumbî wemvula emhlabeni imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane.

13 Wangena kwangalomini u-Nowa, no-Sem no-Ham no-Yafete, onyana baka-Nowa, nomka-Nowa, nabafazi bobatâtû bonyana bakê ndawonye naye emkômbêni.

14 Bona, nento zonke ezipîlileyo ngohlobo lwazo, nezinto zonke ezizitô zine ngohlobo lwazo, nezinambûzane zonke ezinambûzelayo emhlabeni ngohlobo lwazo, nentaka zonke ngohlobo lwazo, into zonke ezipâpâzelayo, ezinamapîko,

15 Zangena ku-Nowa emkômbêni, ngambîni ngambîni kwinyama yonke enomoya wokupîla kuyo.

16 Zangena inkunzi nemazi kwinyama yonke; zangena njengoko u-Tîxo abemwisele umtêtô. U-Yehova wamvalela ngapâkatî.

17 Yaba ngunogumbê imihla emashumi mane emhlabeni, enyuka amanzi, awufukula umkômbê, wafunquleka emhlabeni.

18 Anamandla amanzi enyuka kunene emhlabeni; wahambâ umkômbê pezu kwamanzi.

19 Anamandla amanzi kunene kakûlu emhlabeni, zagutyungelwa zonke intaba ezipâkamileyo kakulu ezipântsi kwamazulu onke.

20 Anamandla amanzi, i-kubite ezilishumi elinantlanu, etâbatêla pêzulu, zagutyungelwa-ke intaba.

21 Yapûma umpêfumlo yonke inyama enambûzelayo emhlabeni, kwintaka, nakwizinto ezizitô zine, nakwizinto ezipîlileyo, nakwinyakanyaka yonke enyakazelayo emhlabeni, nabantu bonke.

22 Into zonke ezikupêfumla komoya wokupîla kusematâtêni azo, kwinto zonke *ezisemhlabeni* owomileyo, zafa.

23 Zabûjiswa-ke into zonke ezimiyo ezipêzu komhlaba, kwatâbatêla emntwini kwesa ezintweni ezizitô zine, nasezinambûzaneni, nasezintakeni zezulu, zabûjiswa azabikô emhlabeni; kwasala u-Nowa yedwa nababe naye emkômbêni.

24 Anamandla amanzi emhlabeni imihla elikûlu elinamanci mahlanu.

8 U-Tîxo wamkûmbûla u-Nowa, nento zonke ezipîlileyo, nezinto zonke ezizitô zine ezazinaye emkômbêni; u-Tîxo wahambîsa umoya emhlabeni, awutâ amanzi.

2 Yavingcwa imitômbô yamanzi enzonzobila nengcango zezulu, watîntelwa umvumbî wezulu.

3 Abuya amanzi emhlabeni, amana ebuya, awutâ amanzi ekupêleni kwemihla elikûlu elinamanci mahlanu.

4 Umkômbê wazimisa ngenyanga yesixênxe ngosuku lweshumi elinesixênxe enyangeni-leyo, pêzu kwentaba zase-Ararati.

5 Amanzi amana ewutâ kwada kwayinyanga yeshumi; ngeyeshumi-ke *ngosuku* lokuqala enyangeni-leyo zabonakala incopo zentaba.

6 Kwatî, ekupêleni kwemihla emashumi mane, wayivula u-Nowa i-festile yomkômbê abeyenzile;

7 Watûma ihlungulu, lahlala lipûma libuya, ada atsha amanzi emhlabeni.

8 Wasusa ihobe ukuze abone ukuba amanzi alula-na emhlabeni.

9 Ihobe alifumananga ndawo yokupûmza nentende yetûpa lalo, labuyela kuye emkômbêni, ngokuba amanzi abe pêzu komhlaba wonke, wolula isandla sakê, walitâbatâ, walingenisa kuye emkômbêni.

10 Walinda eminye imihla esixênxe, wapînda walisusa ihobe emkômbêni

11 Leza kuye ihobe ngexesha langokuhlwa; nanko, kukô igqabi lomnquma elisandul' ukukîwa emlonyeni walo; wazi u-Nowa, ukuba ahlile amanzi emhlabeni.

12 Walinda eminye imihla ekwasixênxe, walisusa ihobe, alipîndanga libuyele kuye kanjalo.

13 Kwati, ngomnyaka wamakûlu omatândatû anamnye, ngolokuqala enyangeni yokuqala, amanzi atsha emhlabeni; u-Nowa walususa upâhla lomkômbê; wakângela, nango, umhlaba womile.

14 Ngenyanga yesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesixênxe enyangeni-leyo, woma kwapêla umhlaba.

15 Watêtâ u-Tîxo ku-Nowa, esitî,

Digitized by Google

16 Pûma emkômbêni wena nomkakô, nonyana bakô, nabafazi bonyana bakô ndawonye nawe.

17 Zonke izinto ezipîlileyo ezikuwe, kwinyama yonke, ezintakeni, nasezintweni ezizitô zine, nasezinambûzaneni zonke ezinambûzelayo emhlabeni, pûma nazo; zizalise umhlaba, ziqâme, zande emhlabeni.

18 Wapuma-ke u-Nowa, nonyana bakê, nomkakê, nabafazi bonyana bakê ndawonye naye.

19 Zonke izinto ezipîlileyo, zonke izinambûzane, nentaka zonke, into zonke ezinambûzelayo emhlabeni, ngentlobo zazo, zapûma emkômbeni.

20 U-Nowa wamakêla u-Yehova isibingelelo, watâbatâ kwizinto zonke ezizitô zine ezihlambûlukileyo, nakwintaka zonke ezihlambûlukileyo, wanyusa amadini anyukayo esibingelelweni eso.

21 U-Tîxo weva ivumbâ elitôzamisayo, watî u-Yehova entliziyweni yakê, Andisokupînda ndiwushwabulele umhlaba ngenxa yomntu, ngokuba ukuyila kwentliziyo yomntu kubi kwasebutsheni bakê; andisokupînda ndizibûbîse zonke izinto ezipîlileyo, njengoko ndenze ngako.

22 Kutâbatêla apâ, ngayo yonke imihla yomhlaba, akuyi kupêla ukuhlwayela nokuvuna, ukubanda nobushushu, ihlobo nobusika, imini nobusuku.

9 U-Tîxo wamsikelela u-Nowa nonyana bakê, watî kubo, Qâmani, nande, nizalise umhlaba.

2 Ukoyikeka kwenu nokuqîpûla kwenu umbilini makube pêzu kwento zonke ezipîlileyo zomhlaba, napêzu kwentaka zonke zezulu, nakwinto zonke ezinambûzelayo emhlabeni, nakwintlanzi zonke zolwandle; zona zinikelwe esandleni senu.

3 Zonke izinambûzane ezipîlileyo mazibe kukudla kuni, njengomfuno oluhlaza ndininikile oko konke.

4 Yinyama yodwa enompêfumlo wayo, enegazi layo, eningasayi kuyidla.

5 Ligazi lenu lodwa, imipêfumlo yenuke endiya kulibiza, esandleni sento zonke ezipîlileyo ndiya kulibiza, nasesandleni somntu, esandleni salowo ungumzalwana wakê ndiya kuwubiza umpêfumlo womntu.

6 Opâlaza igazi lomntu, igazi lakê lopâlazwa ngumntu, ngokuba umntu wenziwa ngokomfanekiso ka-Tîxo.

7 Nina-ke, qâmani nande, niwuzalise umhlaba, nande kuwo.

8 Watsho u-Tîxo ku-Nowa, nakonyana bakê ndawonye naye, ukutî,

9 Yabonani, mna ndiyawumisa umnqopîso wam nani, nembêwu yenu emva kwenu,

10 Nayo yonke imipêfumlo epîlileyo ekuni, kwintaka, nakwizinto ezizitô zine, nakwizinto zonke ezipîlileyo zomhlaba ezikuni; kwinto zonke ezipûme emkômbêni, ezizizinto zonke ezipîlileyo zomhlaba.

11 Ndiwumise umnqopîso wam nani, ukuba ingabi sanqunyulwa yonke inyama ngamanzi onogumbê, kungabi sabikô nogumbê wokuwonakalisa umhlaba.

12 Watî u-Tîxo, Nguwo lo umqondiso womnqopîso endiwubekayo pâkatî kwam nani, nayo yonke imipêfumlo epîlileyo ekuni, kuse kwizizukulwana zasepâkadeni.

13 Umnyâmâ wam ndiwubeke efini, ukuba ube ngumqondiso womnqopîso opâkatî kwam nomhlaba.

14 Kotî, ndakuwusibekelisa ngelifu umhlaba, ubonakale umnyâmâ-lowo efini.

15 Ndiwukûmbûle umnqopîso wam opâkatî kwam nani, nayo yonke imipêfumlo epîlileyo, enyameni yonke, angabi sabikô amanzi onogumbê okonakalisa inyama yonke.

16 Umnyâmâ woba semafini-ke, ndiwukângele ndikûmbûle umnqopîso ongunapâkade pâkatî ko-Tîxo nayo yonke imipêfumlo epîlileyo, enyameni yonke esemhlabeni.

17 Watî u-Tîxo ku-Nowa, Nguwo lowo umqondiso womnqopîso endiwumisileyo pâkatî kwam nayo yonke inyama esemhlabeni.

18 Kekaloku onyana baka-Nowa, abapûma emkômbêni, bebe ngo-Sem no-Ham no-Yafete; u-Ham-ke nguyise ka-Kanan.

19 Aba batâtû ngonyana baka-Nowa, bawuzaza umhlaba wonke.

20 U-Nowa watî engumlimi womhlaba, waqala watyala isi-diliya.

21 Wasela i-wayini, wanxila, wazihluba pâkatî kwe-ntente yakê.

22 U-Ham uyise ka-Kanan wabubona

Digitized by

ubuzé bukayise, waxelela abakûluwa bakê bobabini ngapândle.

23 U-Sem no-Yafete batâbatâ ingubo, bayibeka emagxeni abo bobabini, baya ngomva, babugubungela ubuzé boyise.

24 Wavuka u-Nowa e-wayinini yakê, wakwazi akwenzileyo unyana wakê omnci kuye.

25 Watí,
Makaqalekiswe u-Kanan,
Abe ngumkônzi wabakônzi kubazalwana bakê.

26 Watí,
Makabongwe u-Yehova u-Tixo ka-Sem;
U-Kanan abe ngumkônzi kubo.

27 U-Tixo makamvulele u-Yafete,
Ahlale ezi-ntenteni zika-Sem;
U-Kanan abe ngumkônzi kubo.

28 Wahlala u-Nowa emveni konogumbê iminyaka emakûlu matâtû anamanci mahlanu.

29 Yonke imihla ka-Nowa yaba yiminyaka emakûlu asitôba anamanci mahlanu; wafa-ke.

10 Yiyo le-ke inzala yonyana baka-Nowa: u-Sem no-Ham no-Yafete. Bazalelwa onyana emveni konogumbê,

2 Onyana baka-Yafete ngu-Gomere, no-Magogi, no-Madayi, no-Yavan,[1] no-Tubali, no-Mesheki, no-Tirasi.

3 Onyana baka-Gomere ngu-Ashekenazi, no-Rifati, no-Togarma.

4 Onyana baka-Yavan ngu-Elisha, no-Tarshishi, ngama-Kiti nama-Dodan.

5 Zadabuka kubo abo iziqiti zentlanga emazweni azo; lwa olo ngokolwimi lwalo, ngokwesizwe salo ezintlangeni zazo.

6 Onyana baka-Ham ngu-Kushi,[2] no-Mitserayim,[3] no-Puti, no-Kanan.

7 Onyana baka-Kushi ngu-Seba no-Havila, no-Sabeta, no-Rama, no-Sabeteka; onyana baka-Rama ngu-Sheba no-Dedan.

8 U-Kushi wazala u-Nimrodi; yena waqala waba ligoña emhlabeni.

9 Yena waba ligoña lezingela pâmbî ko-Yehova; ngenxa yoko kwatíwa, Njengo-Nimrodi igoña lezingela pâmbî ko-Yehova.

10 Ukuqala kobukumkani bakê yi-Babeli, ne-Ereki, ne-Akadi, ne-Kalene ezweni le-Shinare.

11 Kulo elozwe wapûma waya kwelakwa-Asuri, waká i-Nineve ne-Rehobotri nomzi we-Kala,

12 Ne-Rezen pakati kwe-Nineve ne-Kala; ngulomzi mkûlu ke-lowo.

13 U-Mitserayim wazala ama-Ludi, nama-Anam, nama-Lehabi, nama-Nafetuyi,

14 Nama-Patrusi, nama-Kaseluyi, apô kwapûma kôna ama-Filisti nama-Kafetori.

15 U-Kanan wazala u-Tsidon owamazibulo wakê, no-Heti,

16 Nama-Yebusi, nama-Amori, nama-Girgashi.

17 Nama-Hivi, nama-Areki, nama-Sin,

18 Nama-Arvadi, nama-Tsemari, nama-Hamati; emveni koko zapângalala izizwe zama-Kanan.

19 Umda wama-Kanan watâbatêla e-Tsidon, wasinga e-Gerare wasa e-Gaza; wasinga e-Sodom ne-Gomora, ne-Adama, ne-Tseboyim, wasa e-Lasha.

20 Ngabo abo onyana baka-Ham, ngokwezizwe zabo, ngokwelwimi zabo, emazweni abo, ezintlangeni zabo.

21 U-Sem wazalelwa naye; unguyise wabo bonke onyana baka-Ebere, ungumzalwana omkûlu ka-Yafete.

22 Onyana baka-Sem ngu-Elam, no-Asuri, no-Arpakishadi, no-Ludi, no-Aram.

23 Onyana baka-Aram[1] ngu Utse, no-Huli, no-Getere, no-Mashi.

24 U-Arpakishadi wazala u-Shela, u-Shela wazala u-Ebere.

25 U-Ebere wazalelwa onyana bababini; igama lomnye belingu-Pelege,[2] ngokuba ngemihla yakê bahlukahluka abemi bomhlaba; igama lomninawe wakê belingu-Yoketan.

26 U-Yoketan wazala u-Almodadi, no-Shelefe, no-Hatsaremavete, no-Yera,

27 No-Hadoram, no-Uzali, no-Dikela,

28 No-Obali, no-Abimayeli, no-Sheba,

29 No-Ofire, no-Havila, no-Yobabi; bonke abo bangonyana baka-Yoketan.

30 Ukuma kwabo kwatâbatêla e-Mesha, kwasinga e-Zefara, intaba yasempumalanga.

31 Ngabo abo onyana baka-Sem ngokwezizwe zabo, ngokwelwimi zabo, emazweni abo, ngokwentlanga zabo.

[1] Ama-Grike.
[2] Ama-Ktiyopi kwi-Test. entsha.
[3] Ama-Yiputa.

[1] Ama-Siri kwi-Test. entsha.
[2] U-Sahlulo.

Digitized by Google

32 Zizo ezo izizwe zonyana baka-Nowa, ngokwenzalo zabo, ezintlangeni zabo; zadabuka kubo abo intlanga emhlabeni emveni konogumbê.

11 Kekaloku wonke umhlaba ubuntetô-nye, umazwi-manye.
2 Kwatî, ekundulukeni kwabo besinga empumalanga, bafumana itâfa ezweni lase-Shinare; bahlala kôna.
3 Batî abanye kwabanye, Yizani, senze izi-tena, sizitshise kunene. Baba nezi-tena endaweni yamatye, ne-asfalto endaweni yodaka.
4 Batî, Yizani, sizakêle umzi, nepoma lenqaba elincopo isemazulwini; sizenzele igama hleze sicîtâkalele emhlabeni wonke.
5 U-Yehova wehla, eza kukângela umzi lowo nenqaba-leyo inde bayakâyo onyana boluntu.
6 Watî u-Yehova, Yabona, abantu banye, bantetô-nye bonke bepêla; yingqaloke le yokwenza kwabo; kaloku abayi kunqatyelwa nto bayinqangiyeleyo ukuyenza.
7 Yizani, sihle, sidube kôna apô intetô yabo, ngokokuze bangevani ngentetô.
8 U-Yehova wabacîtâcîtâ kwalapô emhlabeni wonke; bayeka ukuwakâ lomzi.
9 Ngenxa yoko kwatîwa igama lawo yi-Babeli;[1] ngokuba u-Yehova wayiduba kôna apô intetô yomhlaba wonke, wabacîtâcîtâ kwalapô u-Yehova emhlabeni wonke.

10 Yiyo le-ke inzala ka-Sem: u-Sem ube minyaka ilikûlu ezelwe, wazala u-Arpakishadi iminyaka emibîni emveni konogumbê.
11 U-Sem wahlala emveni kokuzala kwakê u-Arpakishadi iminyaka emakûlu mahlanu, wazala onyana nentombî.

12 U-Arpakishadi wahlala iminyaka emashumi matâtû anamihlanu, wazala u-Shela.
13 U-Arpakishadi wahlala emveni kokuzala kwakê u-Shela iminyaka emakûlu mane anamitâtû, wazala onyana nentombî.

14 U-Shela wahlala iminyaka emashumi matâtû, wazala u-Ebere.

15 U-Shela wahlala emveni kokuzala kwakê u-Ebere iminyaka emakûlu mane, anamitâtû, wazala onyana nentombî.

16 U-Ebere wahlala iminyaka emashumi matâtû anamine, wazala u-Pelege.
17 U-Ebere wahlala emveni kokuzala kwakê u-Pelege iminyaka emakûlu mane, anamanci matâtû, wazala onyana nentombî.

18 U-Pelege wahlala iminyaka emashumi matâtû, wazala u-Rehu.
19 U-Pelege wahlala emveni kokuzala kwakê u-Rehu iminyaka emakûlu mabini anesitôba, wazala onyana nentombî.

20 U-Rehu wahlala iminyaka emashumi matâtû anamibini, wazala u-Serugi.
21 U-Rehu wahlala emveni kokuzala kwakê u-Serugi iminyaka emakûlu mabini anesixênxe, wazala onyana nentombî.

22 U-Serugi wahlala iminyaka emashumi matâtû, wazala u-Nahore.
23 U-Serugi wahlala emveni kokuzala kwakê u-Nahore iminyaka emakûlu mabini, wazala onyana nentombî.

24 U-Nahore wahlala iminyaka emashumi mabini anesitôba, wazala u-Tera.
25 U-Nahore wahlala emveni kokuzala kwakê u-Tera iminyaka elikûlu elinashumi-nye linesitôba, wazala onyana nentombî.

26 U-Tera wahlala iminyaka emashumi asixênxe, wazala u-Abram no-Nahore no-Haran.

27 Yiyo le-ke inzala ka-Tera: u-Tera wazala u-Abram no-Nahore no-Haran; u-Haran wazala u-Lote.
28 Wafa u-Haran esekô u-Tera uyise, ezweni lokuzalwa kwakê, e-Ure yama-Kaledi.
29 U-Abram no-Nahore bazeka abafazi; igama lomka-Abram lalingu-Sarayi; igama lomka-Nahore lalingu-Milka intombî ka-Haran, uso-Milka, uso-Yiska.
30 U-Sarayi ebengazali enge namntwana.
31 U-Tera wamtâbatâ u-Abram unyana wake, no-Lote unyana ka-Haran, unyana wonyana wakê, no-Sarayi umolokazana

[1] U-Dubo.

Digitized by

wakê, umka-Abram unyana wakê, bapûma nabo e-Ure yama-Kaledi besiya ezweni lakwa-Kanan; bafika kwelakwa-Haran, bahlala kôna.

32 Imihla ka-Tera yaba yiminyaka emakûlu mabini anamihlanu; wafa u-Tera kwelakwa-Haran.

12 Kekaloku u-Yehova watî ku-Abram, Hambâ, umke ezweni lakowenu, kwelokuzalwa kwakô, nasendlwini kayihlo, uye ezweni endokubonisa lona,

2 Ndikwenze uhlanga olukûlu, ndikusikelele ndilikûlise igama lakô, ube yintsikelelo;

3 Ndibasikelele abakusikelelayo, ndimtshabîse okuqalekisayo; zisikeleleke ngawe zonke izizwe zomhlaba.

4 Wahambâ u-Abram njengoko watêtâyo u-Yehova kuye; wahambâ naye u-Lote. U-Abram ube minyaka imashumi asixénxe anamihlanu ezelwe, ukupûma kwakê kwelakwa-Haran.

5 U-Abram watâbatâ u-Sarayi umkakê, no-Lote unyana womninawe wakê, nengqwebo yabo yonke ababeyiqwebile, nemipéfumlo ababeyifumene kwelakwa-Haran; bapûma-ke besiya ezweni lakwa-Kanan, bafika-ke ezweni lakwa-Kanan.

6 U-Abram wacanda ilizwe, wada waya kwindawo eno-Shekem, wada waya em-okini ka-More. Ama-Kanan abekô ngeloxesha kulo ilizwe.

7 U-Yehova wabonakala ku-Abram, watî, Imbéwu yakô ndiya kuyinika elilizwe. Wamakêla kôna isibingelelo u-Yehova, owabonakalayo kuye.

8 Wesuka kôna waya entabeni ngasempumalanga e-Beteli, wayitwabulula intente yakê; i-Beteli ingasentshonalanga, i-Ayi ingasempumalanga; wamakêla kôna isibingelelo u-Yehova, wanqula igama lika-Yehova.

9 Wanduluka u-Abram, ehambâ encotula esinga kwelasê-Zantsi.

10 **Kwabakô indlala ezweni. Wehla u-Abram waya e-Yiputa ukuze apâmbûkele kôna; ngokuba indlala ibinzima elizweni.**

11 **Kwatî, akusondela ukuba angene e-Yiputa, watî ku-Sarayi umkakê, Uyabona-ke, ndiyazi ukuba ungumfazi omhle imbônakalo.**

12 **Kotî-ke, akukubona ama-Yiputa, atî,** Ngumkakê lo; andibulale, akuyeke wena udle ubomi.

13 Uz'utî, Ungudade wetû wena; ukuze kulunge kum ngenxa yakô, umpêfumlo wam udle ubomi ngenxa enawe.

14 Kwatî, akufika u-Abram e-Yiputa, ambona ama-Yiputa umfazi ukuba uyinzwakazi.

15 Bambona abatêtêli baka-Faro, bamdumisa ku-Faro; umfazi wasiwa endlwini ka-Faro.

16 Wampâtâ ngokulungileyo u-Abram ngenxa yakê; wanempahla emfutshane, nenkomo, nama-esile, namakôboka, namakôbokazana, nemazi zama-esile, nenkamela.

17 U-Yehova wambetâ u-Faro nendlu yake ngezibetô ezikûlu ngenxa ka-Sarayi umka-Abram.

18 U-Faro wambiza u-Abram, watî, Yintonina-le uyenzileyo kum? Yinina ukuba ungandixeleli ukuba ngumkakô?

19 Yinina ukuba utî, Ngudade wenu? Ndamtâbatâ ukuba abe ngumfazi wam; Ngokuke nanko umkakô, mtâbatê, uhambê.

20 U-Faro wawawisela umtêtô amadoda ngaye; amkâpa yena nomkakê, nento zakê zonke.

13 Wenyuka u-Abram, epûma e-Yiputa, yena nomkakê, nento zakê zonke, eno-Lote, esinga kwelase-Zantsi.

2 U-Abram wayenzima kunene ngemfuyo nange-silivere nange-golide.

3 Wahambâ wanduluka esuka kwelase-Zantsi, wafika e-Beteli, kulondawo yayikôna in-tente yakê matanci, pâkatî kwe-Beteli ne-Ayi;

4 Endaweni yesibingelelo awasenzayo kôna ekuqaleni; u-Abram walinqula kôna igama lika-Yehova.

5 Naye u-Lote obehambâ no-Abram, waye nempahla emfutshane nenkomo nentente.

6 Ilizwe-elo alabi nakubatwala, ukuba bahlale ndawonye; ngokuba impahla yabo yayininzi, ababi nakuhlala ndawonye.

7 Kwabakô ukubambâna pâkatî kwabalûsi bemfuyo ka-Abram nabalûsi bemfuyo ka-Lote. Ngeloxesha ilizwe lalimiwe ngama-Kanan nama-Perizi.

8 U-Abram watî ku-Lote, Makungabikô mbâmbâno kaloku pâkatî kwam nawe, na-

Digitized by Google

pâkatî kwabalûsi bam nabalûsi bakô; ngokuba singamadoda azalanayo.

9 Alipâmbî kwakô-na ilizwe lonke? Kâwahluke kum; ukuba uya ekôhlo, ndoya ekunene; ukuba uya ekunene, ndoya ekôhlo.

10 U-Lote wapâkamisa amehlo akê, wawukângela wonke ummandla wase-Yordan, ngokuba ubunamanzi wonke, engekayonakalisi u-Yehova i-Sodom ne-Gomora, unjengomyezo ka-Yehova, unjengelizwe lase-Yiputa, usingise e-Tsohare.

11 U-Lote wawunyula wonke ummandla wase-Yordan; wanduluka u-Lote waya ngasempumalanga; bahlukana-ke.

12 U-Abram wahlala ezweni lakwa-Kanan; u-Lote wahlala emizini yalommandla, wayisondezela e-Sodom in-tente yakê.

13 Kekaloku amadoda ase-Sodom ayesenza izinto ezimbî, engaboni abakûlu ku-Yehova.

14 Watî u-Yehova ku-Abram, emveni kokuba u-Lote ahlukane naye, Kâuwapâkamise amehlo akô ukulondawo ukuyo, ubêkise e-Ntla nase-Zantsi, nasempumalanga nasentshonalanga,

15 Ngokuba lonke ilizwe olibonayo ndiya kulinika wena, nembêwu yakô, kude kuse epâkadeni,

16 Ndiyenze imbêwu yakô njengotûli lwomhlaba, angatî ubani enakô ukulubala utûli lwomhlaba, ayibale nembêwu yakô.

17 Suka ulihambê ilizwe ngobude balo nangobubanzi balo; ngokuba ndiya kulinika wena.

18 Wancotula u-Abram intente yakê, waya wahlala ngasemi-okini ka-Mamre ese-Hebron, wakêla kôna u-Yehova isibingelelo.

14 Kwatî ngemihla ka-Amrafele ukumkani wase-Shinare, no-Ariyoki ukumkani wase-Elazare, no-Kedorlahomere ukumkani wakwa-Elam, no-Tidali ukumkani wama-Goyi,

2 Benza imfazwe no-Bera ukumkani wase-Sodom, no-Birsha ukumkani wase-Gomora, no-Shinabi ukumkani wase-Adama, no-Shemebere ukumkani wase-Tseboyim, nokumkani wase-Bela eyi-Tsohare.

3 Bonke abo baqukana entilini yase-Sidim, elulwandle lwetyuwa.

4 Iminyaka elishumi elinamibini bakônza u-Kedorlahomere, batî ngomnyaka weshumi elinantâtû bagwilika.

5 Ngomnyaka weshumi elinamine weza u-Kedorlahomere nokumkani ababe naye, bawatshabalalisa ama-Rafa e-Ashetarotikarnayim, nama-Zuzi e-Ham, nama-Ema etâfeni lase-Kiriyatayim,

6 Nama-Hori entabeni yawo yakwa-Sehire, kwasa kwi-Elparan, engasentlango.

7 Bajika, beza e-En-mishpati eyi-Kadeshe, balitshabalalisa lonke ilizwe lakwa-Amaleki, nama-Amori abehleli e-Hatsetson-tamare.

8 Wapûma ukumkani wase-Sodom, nokumkani wase-Gomora, nokumkani wase-Adama, nokumkani wase-Tseboyim, nokumkani wase-Bela eyi-Tsohare, bakâ uluhlu lokulwa nabo entilini yase-Sidim;

9 No-Kedorlahomere ukumkani wakwa-Elam, no-Tidali, ukumkani wama-Goyi, no-Amrafele ukumkani wase-Shinare, no-Ariyoki ukumkani wase-Elazare; okumkani abahlanu balwa nabane.

10 Ke intili yase-Sidim yaye iyiminxuma yodwa ye-asfalto; basaba okumkani owase-Sodom nowase-Gomora, beyela kôna; amasalela asabela entabeni.

11 Bayitâbatâ yonke impahla yase-Sodom ne-Gomora, nako konke ukudla kwabo, bemka.

12 Bamtâbatâ no-Lote, nempahla yakê, unyana womninawe ka-Abram, bemka; kuba wayehleli e-Sodom.

13 Wafika osindileyo, waxelela u-Abram um-Hebere; yena ebehleli emi-okini ka-Mamre um-Amori, umzalwana ka-Eshkoli, nomzalwana ka-Anere; bona-ke bebe ngamanqopîsana no-Abram.

14 Weva-ke u-Abram, ukuba utînjiwe umzalwana wakê, wawapâlaza *amadoda* akê aqeqeshiweyo azalelwe endlwini yakê, angamakûlu matâtû aneshumi elinesibôzo, wasukela, waya kufika kwa-Dan.

15 Wawahlulahlula, wabawela ebusuku, yena nabakônzi bâke, wabagxota, wabasukela wasa e-Hoba, engasekôhlo kwe-Damasko.

16 Wazibuyisa zonke impahla, kwa no-Lote umzalwana wakê, wazibuyisa nempahla zakê, kwa nabafazi nabantu.

17 Wapûma ukumkani wase-Sodom, esiya kumkâulela ekubuyeni kwakê ekutshabalaliseni u-Kedorlahomere, nokumkani ababe naye, entilini ye-Shave eyintili yokumkani.

Digitized by Google

18 U-Malkitsedeki ukumkani wase-Salem wapûma enesonka ne-wayini; ube ngumenzeleleli [1] ka-Tîxo Osenyangweni.

19 Wamsikelela wati, Makasikelelwe u-Abram ngu-Tîxo Osenyangweni, umnini mazulu nomhlaba!

20 Makabongwe u-Tîxo Osenyangweni, obanikeleyo ababandezeli bakô esandleni sako. U-Abram wamnika isishumi sento zonke.

21 Watî ukumkani wase-Sodom ku-Abram, Ndinike imipêfumlo, utâbatê impahla.

22 Watî u-Abram kukumkani wase-Sodom, Isandla sam ndisipâkamisele ku-Yehova u-Tîxo Osenyangweni, umnini mazulu nomhlaba,

23 Ukuba andikutâbatâ nosinga, nokuba ngumtya wembâdada, ukuba andikutâbatâ kuko konke okwakô; ukuze ungatsho ukuti, Mna ndimtyebisile u-Abram.

24 Makungabikô nto iyeyam, kupêla ibe yilento idliweyo ngabafana, nesabelo samadoda abehambâ nam, u-Anere no-Eshkoli no-Mamre; wona makasitâbatê isabelo sawo.

15 Emveni kwezozinto lafika ilizwi lika-Yehova ku-Abram ngombono, lisitî, Mus' ukoyika, Abram, ndiyingweletshetshe yakô, umvuzo wakô omkûlu kunene.

2 Watî u-Abram, Nkosi yam, Yehova, wondinika nto-nina? ndihambâ ndinge namntwana, indla-mafa yendlu yam ngulo-Eliyezere wase-Damasko.

3 Watî u-Abram, Yabona akundinikanga mbêwu; yabona, umntu ongowendlu yam uya kuba yindla-mafa yam.

4 Nalo, ilizwi lika-Yehova kuye, lisitî, Akayi kuba yindla-mafa yakô lo; ngoya kupûma ezibilinini zakô yena oya kuba yindla-mafa yakô.

5 Wamsa pândle watî, Kâubêke pêzulu ezulwini, uzibale inkwenkwezi, ukuba unokuzibala; wati kuye, Iya kuba njaloke imbêwu yakô.

6 Wakôlwa ku-Yehova; oko wakubalela ebulungiseni kuye.

7 Watî kuye, Ndingu-Yehova owakukûpâyo e-Urê yama-Kaledi, ukuba ndikunike elilizwe, ulidle ilifa.

8 Watî yena Nkosi, Yehova, ndiya kwazi nganto-nina, ukuba ndiya kulidla ilifa?

9 Watî kuye, Nditâbatêle itôkazi eliminyaka mitâtû, nemazi ye-bokwe eminyaka mitâtû, nenkunzi yemvu eminyaka mitâtû, nehobe, negobo lezuba.

10 Wamtâbatêla-ke zonke ezonto, wazicanda kubini, wazibeka izahlulo, esinye sakângelana nesinye; ke zona intaka akazicanda.

11 Ehla amaxâlanga pezu kwezidûmbû, wawapêkuza u-Abram.

12 Kwatî, xa litshonayo ilanga, efikelwe-u-Abram butôngo obukûlu, wabona efikelwa kukotûka nabumnyama obukûlu.

13 Watî ku-Abram, Yazi-ke, ukuba imbêwu yakô iya kuba ngumpâmbukeli ezweni elingelayo, ibakônze abo; bayicinezele iminyaka emakûlu mane.

14 Kananjalo uhlanga eya kulukônza ndiya kulugweba, emveni koko iya kupûma inempahla ezininzi.

15 Ke wena uya kuya koyihlo unoxolo; uncwatywe uyingwevu enkulu.

16 Kwesesinc isizukulwana iya kubuyela apâ, kuba ubugwenxa bama-Amori abukazaliseki.

17 Kwatî, lakuba litshonile ilanga, kwakuba sitôkotôko, wabona kukô iziko eliqûmayo, elinelangatye elidangazelayo, elacanda pâkatî kwezozahlulo.

18 Ngalomini-ke u-Yehova wenza umnqopiso no-Abram, watî, Imbêwu yakô ndiyinike elilizwe litâbatêle emlanjeni wase-Yiputa, lise emlanjeni omkûlu, emlanjeni ongum-Efrati,

19 Ama-Keni, nama-Kinazi, nama-Kadimon,

20 Nama-Heti, nama-Perizi, nama-Rafa,

21 Nama-Amori, nama-Kanan, nama-Girigashi, nama-Yebusi.

16 Kekaloku u-Sarayi umka-Abram ubengamzaleli *mntwana*. Waye nekôbokazana elingum-Yiputazana, eligama belingu-Hagare.

2 Watî u-Sarayi ku-Abram, Yabona, u-Yehova undivingcile ukuba ndingazali; kâungene kwikôbokazana lam eli, mhlaumbî ndingakêka ngalo. Walipûlapûla u-Abram izwi lika-Sarayi.

3 Watî u-Sarayi umka-Abram, wamtâbatâ u-Hagare um-Yiputazana, ikôbokazana lakê, emveni kokuba u-Abram wayehleli iminyaka elishumi ezweni lakwa-Kanan, walinika u-Abram indoda yakê ukuba libe ngumkakê.

[1] **Umtingeleli, kwi-Test entsha,** okunye um-priste.

Digitized by Google

4 Wamngena-ke u-Hagare, wamitâ; akubona ukuba umitî, inkosikazi yakê yacukucezeka emehlweni akê.

5 Watî u-Sarayi ku-Abram, Ukoniwa kwam makube pêzu kwakô; ikôbokazana lam ndilinike mna esifubeni sakô; litê lakubon' ukuba limitî, ndacukucezeka emehlweni alo; u-Yehova makagwebe pâkatî kwam nawe.

6 Watî u-Abram ku-Sarayi, Yabona, ikôbokazana lakô lisesandleni sakô, yenza kulo okulungileyo emehlweni akô. U-Sarayi walicinezela, labaleka lemka ebusweni bakê.

7 Kekaloku isitûnywa sika-Yehova salifumana ngasemtônjeni wamanzi entlango, ngasemtônjeni osendleleni eya e-Shure.

8 Satî, Hagare, kôbokazana lika-Sarayi, uvela pîna, usiya pîna? Latî, Ndibaleke ndemka ebusweni buka-Sarayi inkosikazi yam.

9 Satî isitûnywa sika-Yehova kulo, Buyela kwinkosikazi yakô, uzitôbe pântsi kwesandla sayo.

10 Satî isitûnywa sika-Yehova kulo, Ndiya kuyandisa kakûlu imbêwu yakô, ingabalwa ngenxa yobuninzi.

11 Satî isitûnywa sika-Yehova kulo, Yabona, umitî, uya kuzala unyana, umtîye igama elingu-Ishmayeli,[1] ngokuba u-Yehova uzivile intsizi zakô.

12 Yena uya kuba ngumntu onjenge-esile lasendle ukundweba; isandla sake siya kucâsana nabantu bonke, isandla sabantu bonke sicâsane naye; ahlale ebusweni babazalwana bakê bonke.

13 Walibiza igama lika-Yehova, obetêtâ naye, watî, Ungu-Tîxo obonayo; ngokuba watî, Ndisambona-na nalapâ emveni kokuba endibonile?

14 Ngenxa yoko walitiya eloqula igama lokuti Liqula-lika-Pîla-endibonile; nalo pâkatî kwe-Kadeshe ne-Berede.

15 U-Hagare wamzalela u-Abram unyana; u-Abram ukumtîya igama unyana wakê, lowo abemzalele yena u-Hagare, watî ngu-Ishmayeli.

16 U-Abram ube minyaka imashumi asibôzo anamitândatû ezelwe, oko u-Hagare wamzalelayo u-Abram u-Ishmayeli.

17 Kwati, u-Abram akuba minyaka imashumi asitôba ezelwe, u-Yehova wabonakala ku-Abram, watî kuye, Ndingu-Tîxo u-Somandla, hambâ pâmbî kwam ube ngogqibeleleyo.

2 Ndiya kuwubeka umnqopiso wam pâkatî kwam nawe, ndikwandise kakulu kunene.

3 Wawa u-Abram ngobuso bakê; u-Tîxo watêtâ naye, esitî,

4 Mna, yabona, umnqopîso wam unawe, uya kuba nguyise wengxokolo yentlanga.

5 Kananjalo akusokutîwa igama lakô ngu-Abram, igama lakô liya kuba ngu-Abraham, ngokuba ndikwenze uyise wengxokolo yentlanga;

6 Ndiya kukuqâmisa kakûlu kunene, ndikwenze intlanga, kupûme okumkani kuwe;

7 Ndiwumise umnqopîso wam pâkatî kwam nawe, napâkatî kwembêwu yakô emva kwakô kwizizukulwana zayo, ube ngumnqopîso ongunapâkade wokuba ndibe ngu-Tîxo kuwe nakwimbêwu yakô emva kwakô;

8 Ndilinike wena nembêwu yakô emva kwakô ilizwe lokupâmbûkela kwakô, lonke ilizwe-eli lakwa-Kanan, ukuba libe yinto yenu ngonapâkade, ndibe ngu-Tîxo wabo.

9 Watî u-Tîxo ku-Abraham, Wena-ke, umnqopîso wam wowugcina, nembêwu yakô emva kwakô kwizizukulwana zabo.

10 Nguwo lo umnqopîso wam eniya kuwugcina pâkatî kwam nani, nembêwu yakô emva kwakô: wokuba yonke into eyindoda kuni yalûswe;

11 Nizalûse inyama yejwabu lenu; oko kube ngumqondiso womnqopîso opâkatî kwam nani.

12 Unyana omihla isibôzo makalûswe kuni, yonke into eyindoda kwizizukulwana zenu, ezelwe endlwini, nezuzwe ngemali kubani wolunye uhlanga, onge ngowembêwu yakô yena.

13 Makalûswe ozelwe endlwini yakô, nozuzwe ngemali yakô; umnqopîso wam enyameni yenu uya kuba ngumnqopîso ongunapâkade.

14 Into eyindoda engalukileyo, enyama yejwabu ingalûswanga, lompêfumlo maunqanyulwe ungabikô ebantwini bakowawo; uwapûlê umnqopîso wam.

15 Watî u-Tîxo ku-Abraham, U-Sarayi umkakô akuyi kumbiza ngegama lokuba-Sarayi; igama lakê loba ngu-Sara.

16 Ndiya kumsikelela; kananjalo ndiku-

[1] U-Tixo-uyeva.

Digitized by

nike unyana ngaye, ndimsikelele abe zintlanga, kupûme okumkani bezizwe kuye.

17 U-Abraham wawa ngobuso bakê, wahleka, wati entliziyweni yakê, Azi umntu ominyaka ilikûlu wozalelwa-na? Azi u-Sara intokazi eminyaka imashumi asitôba angazala-na?

18 Watî u-Abraham ku-Tîxo, Wanga u-Ishmayeli angadla ubomi pâmbî kwakô!

19 Watî u-Tîxo, Ewe, u-Sara umkakô uya kukuzalela unyana, umbize ngegama lokuba-Isake; ndiwumise umnqopîso wam naye, ube ngumnqopîso ongunapâkade kwimbêwu yakê emva kwakê.

20 Ngokusingisele ku-Ishmayeli ndikuvile; uyabona, ndimsikelele, ndimqâmisile, ndimandisile kakûlu kunene. Uya kuzala izikûlu ezilishûmi elinazibini, ndimenze uhlanga olukûlu.

21 Umnqopîso wam wona ndiwumise no-Isake oya kumzalelwa ngu-Sara ngelixesha nyakenye.

22 Wagqiba ukutêtâ naye. Wenyuka u-Tîxo esuka ku-Abraham.

23 U-Abraham wamtâbatâ u-Ishmayeli unyana wakê, nabo bonke abazalelwe endlwini yakê, nabo bonke abazuzwe ngemali yakê, yonke into eyindoda pâkatî kwabantu bendlu ka-Abraham, wayalûsa inyama yejwabu layo kwa ngalomini, njengoko abetêtîle u-Tîxo kuye.

24 U-Abraham ebe minyaka imashumi asitôba anesitôba ezelwe, ukwalûswa kwenyama yejwabu lakê.

25 U-Ishmayeli unyana wakê ebe minyaka ilishumi elinamitâtû ezelwe, ukwalûswa kwenyama yejwabu lakê.

26 Kwa ngalomini walûswa u-Abraham, no-Ishmayeli unyana wakê.

27 Nawo onke amadoda endlu yakê azalelwe endlwini *yakê*, nazuzwe ngemali kubani wolunye uhlanga, alûswa kunye naye.

18 U-Yehova wabonakala kuye emiokini ka-Mamre, ehleli emnyango wen-tente ekufudumaleni kwemini.

2 Wawapâkamisa amehlo akê, wabona, nango amadoda amatâtû emi ngakuye. Wabona, wagidima, eya kuwakâulela, esuka emnyango wen-tente, waqubuda emhlabeni,

3 Watî, Nkosi yam ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, mus' ukudlula umke kumkônzi wakô.

4 Makê kutâtyatwe intwana yamanzi, nihlambê inyawo zenu, ninqênqê pântsi komtî-lo;

5 Nditâbatê iqêkeza lesonka, nixâse intliziyo zenu; kamva nodlula, kuba nize kudlula ngenxa yoko kumkônzi wenu. Atî, Yenza ngoko utêtê ngako.

6 Wakâuleza u-Abraham, waya en-tenteni ku-Sara, watî, Kâuleza, uxovule i-seya[1] ezintatû zomgubo onengiweyo, wenze amaqebengwana ezonka.

7 Wagidima waya ezinkomeni u-Abraham, watâbatâ itôle lenkomo litâmbîle lilungile, wanika umfana, wakâuleza ukulilungisa.

8 Watâbatâ amasi nobisi netôle lenkomo abelilungisile, wabeka pâmbî kwawo, wema ngakuwo pântsi komtî-lowo, adla.

9 Atî kuye, Upîna u-Sara umkakô? Watî, Nanko en-tenteni.

10 Yati, Ndiya kubuyela kuwe, lakubuya elixesha; yabona, u-Sara umkakô uya kuba nonyana. Weva u-Sara esemnyango wen-tente, wona usemva kwayo.

11 Kekaloku u-Abraham no-Sara babesebalupêle, sebekûlile; sekunqamkile ku-Sara okwendlela yabafazi.

12 U-Sara wahleka ngapâkatî kwakê, esitî, Emveni kokuba ndihagele, ndisaya kuyolelwa-na, nenkosi yam yalupêle-nje?

13 Watî u-Yehova ku-Abraham, Yinina ukuba u-Sara ahleke, esitî, Kuhleliwe-nje ndiya kuzala-na ndalupêle-nje mna?

14 Kukô nto ingamnqabelayo-na u-Yehova? Ngexesha elimisiweyo ndiya kubuyela kuwe, lakubuya elixesha, u-Sara abe nonyana.

15 Wakânyela u-Sara, esitî, Andihlekanga, kuba ebesoyika. Watî yena, Hayi, uhlekile.

16 Asuka-ke amadoda-lawo, ondela e-Sodom; u-Abraham ehambâ nawo, ewapêlekelela.

17 Watî u-Yehova, Ndomfihlela-na u-Abraham into endiza kuyenza?

18 Kanti u-Abraham uya kutî abe luhlanga olukûlu olunamandla, zisikeleleke ngaye intlanga zonke zomhlaba.

19 Kuba ndimnyule, ukuze abawisele umtêtô abantwana bakê, nendlu yakê emva kwakê, bagcine indlela ka-Yehova, benze ubulungisa nokusesikweni, ukuze

[1] U-Hleka.

[1] I-seya izi-kwate ezilishumi.

Digitized by Google

u-Yehova amenzele u-Abraham into ayitêtîleyo kuye.

20 Watî u-Yehova, Isikâlo sase-Sodom ne-Gomora sisikûlu-nje, nesono sayo sinzima kunene-nje;

21 Ndiya kukâ ndihle, ndikângele ukuba bapêlelisile-na ngokwesikâlo sayo esifikileyo kum, ukuba akunjalo, ndazi.

22 Ajika apô amadoda-lawo, asinga e-Sodom, ke yena u-Abraham wayesemi pâmbî ko-Yehova.

23 Wasondela u-Abraham, watî, Ungade ubêbête olilungisa kunye nongendawo yinina?

24 Hi, kwakô amashumi amahlanu amalungisa pâkatî komzi; ungade uyibêbête ungayixoleli londawo yinina ngenxa yamalungisa amashumi mahlanu akuyo?

25 Makube le kuwe ukwenza ngokwendawo enjalo ukubulala olilungisa kunye nongendawo, ilungisa libe njengongendawo. Makube le kuwe; umgwebi womhlaba wonke akayi kwenza okusesikweni yinina?

26 Watî u-Yehova, Ukuba nditê ndafumana e-Sodom amalungisa amashumi mahlanu pâkatî komzi, ndoyixolela yonke londawo ngenxa yawo.

27 Wapêndula u-Abraham, watî, Kâubone, sendide ndatêtâ e-Nkosini, ndilutûli notûtû.

28 Hi, kwasweleka isihlanu kumalungisa amashumi mahlanu, wowonakalisa ngenxa yesihlanu yinina wonke umzi? Yatî, Andiyi kuwonakalisa, ukuba nditê ndafumana kôna amashumi omane anesihlanu.

29 Wapinda kanjalo watêtâ kuye, watî, Hi, kwafunyanwa kôna amashumi omane? Yatî, Andikukwenza ngenxa yamashumi omane.

30 Watî, Mayingabi namsindo i-Nkosi, kênditêtê, Hi, kwafunyanwa kôna amashumi omatâtû? Yatî, Andikukwenza ukuba nditê ndafumana kôna amashumi omatâtû.

31 Watî, Kâubone, sendide ndatêtâ e-Nkosini. Hi, kwafunyanwa kôna amashumi omabini? Yatî, Andiyi kuwonakalisa ngenxa yamashumi omabini.

32 Watî, Mayingabi namsindo i-Nkosi, kênditêtê esisihlandlo sodwa. Hi, kwafunyanwa kôna ishumi elinye? Yatî, Andiyi kuwonakalisa ngenxa yeshumi elinye.

33 Wemka u-Yehova, akugqiba ukutêtâ ku-Abraham; u-Abraham wabuyela endaweni yakê.

19 Zafika izitûnywa-ezo zozibini e-Sodom ngokuhlwa u-Lote ehleli esangweni le-Sodom; u-Lote wazibona, wesuka waya kuzikâulela, waqubuda ngobuso emhlabeni.

2 Watî, Kânibone, zinkosi zam, kânipâmbûkele endlwini yomkônzi wenu, nilale, nihlambê inyawo zenu, nivuke kusasa, nihambê indlela yenu. Zatî, Hayi, solala e-strateni.

3 Wazijoka kunene, zapâmbûkela kuye, zangena endlwini yakê; wazenzela isidlo, woja nezonka ezinge-nagwele, zadla.

4 Kekaloku zingekalali, amadoda alomzi, amadoda ase-Sodom ayiŕaula indlu, etâbatêla kumfana esa kwixêgo, bonke abantu bevela nasekupêleni kwawo.

5 Bambiza u-Lote, batî kuye, Apîna amadoda angene kuwe ngobusuku? Wakûpêle kutî, siwazi.

6 Wapûma u-Lote waya kubo emnyango, waluvala ucango emva kwakê,

7 Watî, Musan' ukwenza into embî bazalwana.

8 Kânibone, ndinentombî ezimbîni ezingazani nandoda; mandikûpêle zona kuni, nenze kuzo ngoko kulungileyo emehlweni enu; ke kulamadoda musan' ukwenza nto, kuba angene ngenxa yoko emtûnzini wopâhla lwam.

9 Batî, Kwêlela; batsho batî, Lo wezayo ngokupâmbûkela uhlala egweba; ngoku sokupâtâ kakubi wena kunawo. Besuka indulumbâne pézu kwendoda u-Lote, basondela, beza kuluqêkeza ucango.

10 Amadoda-lawo asolula isandla sawo, amngenisa u-Lote kuwo endlwini, aluvala ucango.

11 Awabetâ ngobumfama amadoda abe semnyango wendlu, etâbatêla kwencinane esa kwenkulu, azidinisa-ke ukufuna umnyango.

12 Atî amadoda-lawo ku-Lote, Use-nabanina apâ? Umyeni, nonyana bakô, nentombî zakô, nabo bonke onabo kulomzi, bakûpê kulendawo,

13 Ngokuba siyâ kuyonakalisa lendawo, ngokuba sikûlu isikâlo sabo ebusweni buka-Yehova; u-Yehova usitûme ukuba siyonakalise.

14 Wapûma u-Lote, watêtâ kubayeni bentombî zakê, abaya kuzeka intombî zakê, watî, Sukani, nipûme kulendawo; ngokuba u-Yehova uya kuwonakalisa lo-

Digitized by

mzi. Usuke waba njengohlekisayo emehlweni abayeni bentombî zakê.

15 Izitûnywa zamnxâmisa u-Lote, ngesifingo, zatî, Vuka, tâbatâ umkakô nentombî zakô zombîni, aba banokufumaneka, hleze ubêbêtwe ngobugwenxa balomzi.

16 Wazilazila; amadoda abambâ isandla sakê, nesandla somkakê, nesandla sentombî zakê zombîni; u-Yehova emvela; amkûpâ, amyeka ngapândle komzi.

17 Akuba emkûpêle pândle, watî, Zisindise ngenxa yompêfumlo wakô, mus' ukubêka emva kwakô, mus' ukuma kuwo wonke lommandla, zisindise ngokuya entabeni, hleze ubêbêtwe.

18 Watî kuwo u-Lote, Hayi, Nkosi yam.

19 Kâubone, umkônzi wakô umbabale, uyikûlisile inceba yakô ondenzeleyo, ukuba uwusindise umpêfumlo wam; mna-ke andinakô ukuzisindisa ngokuya entabeni, hleze ndinanyatêlwe bububi, ndife.

20 Kâubone, lomzi ukufupî, ukuba kubalekelwe kuwo, mncinane; ndanga ndingazisindisa ngokuya kuwo; (awumncinane-na?) usinde umpêfumlo wam.

21 Watî kuye, Yabona, ndikunonelele nangalento, ukuba ndingawubûkuqi lomzi utêtê ngawo.

22 Kâuleza, zisindise ngokuya kôna, kuba andinakwenza nto ude ufike kôna. Ngenxa yoko igama lalomzi kwatiwa yi-Tsohare.[1]

23 Ilanga laliselipûmile pêzu komhlaba, ukufika kuka-Lote e-Tsohare,

24 Wanisa-ke u-Yehova pêzu kwe-Sodom ne-Gomora i-sulfure nomlilo opûma ku-Yehova ezulwini;

25 Wayibûkuqa lomizi, nawo wonke lommandla, nabo bonke abemi balomizi, nesihlumo somhlaba.

26 Wabêka umkakê esemva kwakê, waba yintsika yetyuwa.

27 U-Abraham wavuka kusasa, waya kulondawo wayemi kuyo ebusweni buka-Yehova.

28 Wondela e-Sodom ne-Gomora, nakulo lonke ilizwe lalommandla, wakângela, nango unyuka umsi welozwe, njengomsi weziko lemfutô.

29 Kwatî, xenikweni u-Tîxo wayonakalisayo imizi yalommandla, u-Tîxo wamkûmbûla u-Abraham, wamkûpâ u-Lote pâkatî kobûkuqo-olo, ekuyibûkuqeni imizileyo abehleli kuyo u-Lote.

30 Wenyuka u-Lote epûma e-Tsohare, wahlala entabeni, enentombî zakê zombîni, kuba ebesoyika ukuhlala e-Tsohare; wahlala emqolombêni, yena nentombî zakê zombîni.

31 Yatî eyamazibulo kwencinane, Ubawo walupêle; akukô ndoda ezweni apâ yokusingena ngokwendlela yomhlaba wonke;

32 Yiza, simseze ubawo i-wayini silale naye, sigcine imbêwu ngobawo.

33 Zamseza-ke uyise i-wayini ngobobusuku; yangena eyamazibulo, yalala noyise; akayazanga yena ukulala kwayo nokuvuka kwayo.

34 Kwatî ngengomso, yatî eyamazibulo kwencinane, Yabona, ndilele nobawo pêzolo; masimseze i-wayini nangobubusuku, ungene, ulale naye, ukuba sigcine imbêwu ngobawo.

35 Zamseza-ke uyise i-wayini nangobobusuku, yasuka encinane yalala naye; akayazanga yena ukulala kwayo nokuvuka kwayo.

36 Zamitâ zombîni intombî zika-Lote ngoyise.

37 Eyamazibulo yazala unyana, yambiza ngegama elingu-Mowabi;[1] yena nguyise wama-Mowabi unanamhla.

38 Nencinane yazala unyana, yambiza ngegama elingu-Ben-ami,[2] yena nguyise wonyana baka-Amon unanamhla.

20 Kekaloku u-Abraham wanduluka apô, waya ezweni lase-Ntla, wahlala pâkatî kwe-Kadeshe ne-Shure, wapâmbûkela e-Gerare.

2 Watî, u-Abraham ngo-Sara umkakê, Ngudade wetû; u-Abimeleki ukumkani wase-Gerare watûma, wamtâbatâ u-Sara.

3 Weza u-Tîxo ku-Abimeleki ngepûpâ ebusuku, watî kuye, Uyabona, ufile ngenxa yomfazi omtâbatîleyo, ngumkamntu.

4 Ke u-Abimeleki ubengasondelanga kuye, watî, Nkosi, nolunobulungisa uhlanga wolubulala yinina?

5 Akatshongo-na yena kum ukutî, Ngudade wetû, naye ngokwakê watî, Ngumnakwetû? lento ndiyenzê ngentliziyo yam igqibelele, nangezandla zam zimsulwa.

[1] U-Mncinana.

[1] Oka-Bawo. [2] Owakowetû.

Digitized by Google

6 Watí u-Tíxo kuye ngepûpâ, Nam ndiyazi, ukuba uyenzē lento ngentliziyo yakô igqibelele. Ndakunqanda nam, ukuba ungoni kum, ngenxa yoko andikuvumelanga ukuba umcûkumise.

7 Ngoko mbuyise umfazi walendoda, ngokuba ingum-profeti, yokutândazela ukuba upíle; ukuba utê akwambuyisa, yazi ukuba uyakufa wena nabo bonke onabo.

8 Wavuka kwa kusasa u-Abimeleki, wababiza bonke abakônzi bakê, wawatêtâ onke lamazwi ezindlebeni zabo. Oyika kakûlu lomadoda.

9 U-Abimeleki wambiza u-Abraham, watí kuye, Yinto-nina lento uyenzileyo kutí? ndikone nganto-nina, ukuba undizisele mna nobukumkani bam isono esingaka? Wenze kum izenzo ezinge zakwenziwa.

10 Watí u-Abimeleki ku-Abraham, Ubone nto-nina, ukuba uyenze lento?

11 Watí u-Abraham, Ndití, akukô kanye ukoyika u-Tíxo kulendawo, baya kundibulala ngenxa yomkam.

12 Okwenene ngudade wetû, yintombí kabawo, kodwa akantombí kamá, waba ngumkam-ke.

13 Kwatí, u-Tíxo akundipâmbûkisa andikûpê endlwini kabawo, ndatí kuye, Nantsi inceba owondenzela yona, endaweni zonke esofika kuzo, uz'utí ngam, Ngumnakwetû.

14 U-Abimeleki watâbatâ impahla emfutshane nenkomo namakôboka namakôbokazana, wanika u-Abraham, wambuyisela u-Sara umkakê kuye.

15 Watí u-Abimeleki, Nali, ilizwe lam lipâmbí kwakô; hlala apô kulungileyo emehlweni akô.

16 Watí ku-Sara, Yabona, umnakwênu ndimnike iwaka le-silivere; yabona, sigqubutêlo samehlo kuwe ngokusingisele kubo bonke abanawe; napâkatí kwabo bonke ugwetyelwe.

17 Watândaza u-Abraham ku-Tíxo; u-Tíxo wampílisa u-Abimeleki, nomkakê, nabakônzazana bakê, bazala.

18 Ngokuba u-Yehova ubezivingcile kanye zonke izizalo endlwini ka-Abimeleki ngenxa ka-Sara umka-Abraham.

21 Kekaloku u-Yehova wamvelela u-Sara njengoko ebetshilo; u-Yehova wamenzela u-Sara njengoko abekutétíle.

2 Wamitâ-ke u-Sara, wamzalela u-Abraham unyana ekwalupâleni kwakê, ngexesha elimisiweyo abelitêtíle u-Tíxo kuye.

3 U-Abraham wamtíya lonyana wakê abemzalelwe, awamzalayo u-Sara, igama elingu-Isakê.

4 U-Abraham wamalûsa u-Isake unyana wakê, akuba ntsuku zisibôzo ezelwe, njengoko u-Tíxo abemwisele umtêtô.

5 U-Abraham obe minyaka ilikûlu, ukuzalelwa kwakê u-Isake unyana wakê.

6 Watí u-Sara, Undihlekisile u-Tíxo; bonke abakuvayo oku baya kuhleka nam.

7 Watí, Ngubanina obengatshoyo ku-Abraham ukutí, U-Sara wanyisa abantwana? ngokuba ndimzalele unyana ekwalupâleni kwakê.

8 Wakûla umntwana, walunyulwa; u-Abraham wenza isidlo esikûlu mhlana walunyulwayo u-Isake.

9 U-Sara wambona unyana ka-Hagare um-Yiputazana, awamzalela u-Abraham, ehlekisa.

10 Watí ku-Abraham, Mgxote umkônzazana nonyana wakê; kuba unyana walomkônzazana akayi kulidla ilifa ndawonye nonyana wam u-Isake.

11 Lalibi kunene elozwi emehlweni ka-Abraham ngenxa yonyana wakê.

12 Watí u-Tíxo ku-Abraham, Malingabi libi emehlweni akô ngenxa yenkwenkwe nangenxa yomkônzazana wakô. Entweni yonke ayitêtíleyo u-Sara kuwe, pûlapûla izwi lakê, ngokuba iya kuba ngo-Isake lo imbêwu kuwe.

13 Kananjalo unyana womkônzazana ndiya kumenza uhlanga, ngokuba eyimbêwu yakô.

14 Wavuka kusasa u-Abraham, watâbatâ isonka nentsuba yamanzi, wanika u-Hagare, ebeka emagxeni akê, nenkwenkwe, wamndulula. Wemka-ke wandwendwela entlango yase-Ber-sheba.

15 Apêla amanzi entsubeni; wayipôsa inkwenkwe pântsi kwetyolo.

16 Waya wahlala pântsi malunga nayo, umgama ongangowokutola ngotolo; kuba watí, Mandingakuboni ukufa kwenkwenkwe; wahlala pântsi malunga nayo-ke, wapâkamisa izwi lakê, walila.

17 Waliva u-Tíxo izwi lenkwenkwe. Samemeza isitûnywa sika-Tíxo ku-Hagare sisezulwini, satí kuye, Unanto-nina, Ha-

Digitized by Google

gare? mus' ukoyika, ngokuba u-Tixo ulivile izwi lenkwenkwe apô ikôna.

18 Suk'ume uyitâbatê inkwenkwe, uyibambê ngesandla; kuba ndiya kuyenza uhlanga olukûlu.

19 U-Tixo wawavula amehlo akê, wabona iqula lamanzi; waya wayizalisa intsuba ngamanzi, wayiseza inkwenkwe.

20 U-Tixo waba nenkwenkwe-leyo; yakûla, yahlala entlango, yaba yintoli yakukula,

21 Yahlala entlango yase-Paran; unina wayitâbatêla umfazi ezweni lase-Yiputa.

22 Kwatî ngeloxesha, watêtâ u-Abimeleki no-Fikolo umtêtêli womkôsi wakê ku-Abraham, esitî, U-Tixo unawe entweni yonke osukuba uyenza.

23 Ngoko ndifungele u-Tixo apâ, ukuba akuyi kundixokisa mna, nonyana bam, nenzalo yam; wotî ngokwenceba endiyenzileyo kuwe, wenze kum, nakwilizwe opânibûkele kulo.

24 Watî u-Abraham, Mna ndofunga.

25 U-Abraham wamohlwaya u-Abimeleki ngenxa yequla lamanzi elalihlutwe ngabakônzi baka-Abimeleki.

26 Watî u-Abimeleki, Bendingazi ukuba yenzwe ngubanina lento; nawe ubungandixelelanga; nam bendingayivanga, ndiyiva namhla.

27 U-Abraham watâbatâ impahla emfutshane nenkomo, wanika u-Abimeleki, benza umnqopiso bobabini.

28 U-Abraham wamisa amatôkazi ezimvu asixênxe omhlambî awodwa.

29 Watî u-Abimeleki ku-Abraham, Ayinto-nina lamatôkazi ezimvu asixênxe uwamisileyo odwa?

30 Watî, Lamatôkazi ezimvu asixênxe wowatâbatâ esandleni sam, abe bunqîna bam bokuba ndilimbîle eliqula.

31 Ngenxa yoko kwatîwa londawo yi-Ber-sheba;[1] ngokuba kulapô bafungayo bobabini.

32 Benza-ke umnqopîso e-Ber-sheba. Wesuka u-Abimeleki no-Fikolo umtêtêli womkôsi wakê, babuyela ezweni lama-Filisti.

33 U-Abraham watyala um-tamariske e-Ber-sheba, walinqula kona igama lika-Yehova, u-Tixo ongunapâkade.

34 U-Abraham waye ngumpâmbûkeli ezweni lama-Filisti imihla emininzi.

22 Kwatî emveni kwezonto, u-Tixo wamvavanya u-Abraham, watî kuye, Wa Abraham; watî yena, Ndikô.

2 Watî, Kâutâbatê unyana wakô, emnye kuwe, omtândayo, u-Isake, uhambê uye ezweni lase-Moriya, umnyuse kôna abe lidini elinyukayo, pêzu kwentaba endokuxelela yona.

3 Wavuka u-Abraham kusasa, walibôpa i-esile lakê, watâbatâ amabini kumadodana akê, no-Isake unyana wakê, wacanda inkuni zedini elinyukayo, wesuka waya endaweni abemxelele yona u-Tixo.

4 Ngomhla wesitâtû u-Abraham wawapâkamisa amehlo akê, wayibona londawo ikude.

5 Watî u-Abraham kumadodana akê, Hlalani nina apâ ne-esile; mna nomfana lo soya pâya, siqubude, sibuye size kuni.

6 Wazitâbatâ u-Abraham inkuni zedini elinyukayo, wazibeka pêzu ko-Isake unyana wakê, wapâtâ umlilo ngesandla, nesitshetshe, bahambâ bobabini ndawonye.

7 Watsho u-Isake ku-Abraham uyise, ukutî, Bawo; watî yena, Ndikô, nyana wam. Watî, Nangu umlilo nenkuni, ipîna-ke imvu yedini elinyukayo.

8 Watî u-Abraham, U-Tixo wozibonela imvu yedini elinyukayo, nyana wam. Bahambâ bobabini ndawonye.

9 Bafika endaweni abemxelele yona u-Tixo, wakâ kôna u-Abraham isibingelelo, wazicwangcisa inkuni, wambôpa u-Isake unyana wakê, wambeka esibingelelweni pêzu kwenkuni.

10 Wasolula u-Abraham isandla sakê, watâbatâ isitshetshe, ukuba amsike unyana wakê.

11 Samemeza kuye isitûnywa sika-Yehova sisezulwini, satî, Wa Abraham, wa Abraham; watî, Ndikô.

12 Satî, Mus' ukusisa isandla sakô kumfana, mus' ukumenza nto, kuba ndiyazi ngoku ukuba uyamoyika u-Tixo, akunqabanga nonyana wakô kum, emnye kuwe.

13 U-Abraham wapâkamisa amehlo akê, wakângela, nantso inkunzi yegusha ngasemva, ibambêke ngeimpondo etyolweni; waya u-Abraham, wayitâbatâ inkunzi yegusha, wayinyusa ukuba ibe lidini elinyukayo esikûndleni sonyana wakê.

14 U-Abraham watî igama lalondawo lingu-Yehova-ozibonelayo, ekutîwa nanamhla, Entabeni abonakala kuyo u-Yehova.

[1] Iqula lesifungo.

Digitized by Google

15 Samemeza isitûnywa sika-Yehova ku-Abraham okwesibini sisezulwini,
16 Satî, Ndizifungile, utsho u-Yehova, ngenx' enokuba uyenzile lento, akwanqaba nonyana wako emnye kuwe,
17 Ukuba ndiya kukusikelela ndikusikelele, ndiya kuyandisa ndiyandise imbêwu yakô njengenkwenkwezi zezulu, nanjengentlabati eselunxwemeni lolwandle; imbêwu yakô ilidle ilifa isango lentshaba zayo;
18 Zisikelelwe ngembêwu yakô zonke intlanga zomhlaba, ngenx' enokuba ulipûlapûle ilizwi lam.
19 Wabuyela u-Abraham kumadodana akê, besuka baya bendawonye e-Ber-sheba, wahlala u-Abraham e-Ber-sheba.

20 Kwatî emva kwezizinto, kwaxelwa ku-Abraham, kwatîwa, Yabona, u-Milka ukwazele naye ku-Nahore umninawa wakô abantwana:
21 U-Utsi owamazibulo akê, no-Buzi umninawa wakê, no-Kemuweli uyise ka-Aram,
22 No-Kesede, no-Hazo, no-Pildashe, no-Yidelafu, no-Betuweli;
23 (U-Betuweli-ke wazala u-Rebeka;) abo basibôzo u-Milka wamzalela u-Nahore umninawe ka-Abraham.
24 Ishweshwe lakê, eligama lingu-Rehuma, lazala nalo u-Teba, no-Gaham, no-Tahashe, no-Mahaka.

23 Kekaloku ukudl'ubom kuka-Sara kwaba yiminyaka elikûlu elinamanci mabini aneminyaka esixênxe; yiyo iminyaka yokudl' ubomi kuka-Sara.
2 Wafa-ke u-Sara e-Kiriyatika-Arba, eyi-Hebron ezweni lakwa-Kanan. U-Abraham waya kumbâmbâzelela u-Sara nokumlilela.
3 Wesuka u-Abraham ebusweni bomfikazi-lowo, watêtâ konyana baka-Heti, esitî,
4 Ndingumpâmbûkeli ndilundwendwe kuni, ndinikeni ndibe nendawo yam yokuncŵaba pâkatî kwenu, ukuze ndimncŵabe umfikazi angabikô pâmbî kwam.
5 Bampêndula u-Abraham onyana baka-Heti, batî kuye,
6 Sive, nkosi yam, usikûlu sakwa-Tîxo pâkatî kwetû, kwelona linyulekayo kumancŵaba etû mncŵabe umfikazi lowo; akukô bani kutî uya kwala nencŵaba lakê, ukuba ungamncŵabi umfikazi-lowo.
7 Wesuka u-Abraham, waqubuda kubantu belizwe-elo, konyana baka-Heti-abo;
8 Watêtâ nabo esitî, Ukuba kusempêfumlweni wenu, ukuba ndimncŵabe umfikazi angabikô pâmbî kwam, ndiveni, nindibongozele ku-Efron unyana ka-Tsohare,
9 Ukuba andinike umqolombâ wase-Makapela, lowo anawo, osekupêleni kwentsimi yakê, andinike wona ngemali ezalisekileyo, ube yindawo yam yokuncŵaba pâkatî kwenu.
10 U-Efron wayehleli pâkatî konyana baka-Heti; u-Efron um-Heti wampêndula u-Abraham ezindlebeni zonyana baka-Heti, zabo bonke abangenayo ngesango lomzi wakê, esitî,
11 Hayi, nkosi yam, ndive; intsimi-leyo ndiyakunika, nomqolombâ okuyo ndiyakunika, emehlweni onyana babantu bakowetu ndiyakunika; ncŵaba umfikazi-lowo.
12 Waqubuda u-Abraham pâmbî kwabantu belizwe-elo.
13 Watêtâ ku-Efron ezindlebeni zabantu belizwe-elo, watî, Wanga ungandiva; ndikunika imali ngentsimi, yitâbatê kum, ndincŵabe umfikazi kôna.
14 U-Efron wampêndula u-Abraham, watî kuye,
15 Nkosi yam, ndive; umhlaba ngoweshekele ze-silivere[1] ezimakûlu mane, yinto-nina lonto pâkatî kwam nawe? Ncŵaba-ke umfikazi-lowo.
16 U-Abraham wampûlapûla u-Efron; u-Abraham wamlinganisela u-Efron i-silivere-leyo, abetêtê ngaye ezindlebeni zonyana baka-Heti, amakûlu omane e-shekele ze-silivere evunywayo ngumfwebi.
17 Yaqiniseka-ke intsimi ka-Efron ese-Makapela epâmbî kowakwa-Mamre, intsimi leyo nomqolombâ okuyo, nemitî yonke esentsimini, ekuyo yonke imilimandlela ngenxa zonke.
18 Yaba yinzuzo ku-Abraham emehlweni onyana baka-Heti, kubo bonke abangenayo ngesango lomzi wakê.
19 Emveni koko u-Abraham wamncŵaba u-Sara umkakê emqolombêni wentsimi yase-Makapela pâmbî kowakwa-Mamre, kowase-Hebron-leyo, ezweni lakwa-Kanan.
20 Yaqiniseka-ke intsimi-leyo nomqolo-

[1] I-shekele ye-silivere isi-sheleni ezimbini sine-peni esintandatu.

Digitized by

mbâ okuyo, ku-Abraham, ukuze abe nendawo yakê yokuncŵaba, ngonyana baka-Heti.

24 Kekaloku u-Abraham ebalupêle, eselekûlile ebudaleni; u-Yehova wayemsikelele-ke u-Abraham ezintweni zonke.

2 Watî u-Abraham kumkônzi wakê oyena mkûlu endlwini yakê, obelaula zonke izinto abe nazo, Kâubeke isandla sakô pântsi kwetângá lam,

3 Ndikufungise u-Yehova, u-Tîxo wezulu, u-Tîxo womhlaba, ukuba akuyi kumzekela unyana wam umfazi ezintombîni zama-Kanan endihleli pâkatî kwawo;

4 Ukuba woya ezweni lakowetû nakwelokuzalwa kwam, umzekele unyana wam u-Isake umfazi.

5 Watî umkônzi kuye, Hi, ayavuma inkazana ukundilandela ukuza kwelilizwe, ndombuyisela na unyana wakô kwelozwe wapûma kulo wena?

6 Watî u-Abraham kuye, Zilumkele ungambuyiseli unyana wam kôna.

7 U-Yehova, u-Tîxo wamazulu, owanditâbatâyo endlwini kabawo, ezweni lokuzalwa kwam, owatêtâyo kum, owandifungelayo esitî, Imbêwu yakô ndiya kuyinika elilizwe, yena wositûma isitûnywa sakê pâmbî kwakô, umzekele umfazi unyana wam kôna.

8 Ukuba-ke inkazana-leyo itê ayavuma ukukulandela, woba ukûlulekile kwesisifungo sam, kodwa uz'ungambuyiseli unyana wam kôna.

9 Wasibeka umkônzi isandla sakê ngapântsi kwetângá lika-Abraham inkosi yakê, wamfungela lonto.

10 Umkônzi watâbatâ in-kamela ezilishumi kwin-kamela zenkosi yakê, wemka enezinto zonke ezilungileyo zenkosi yakê esandleni sakê, wesuka waya kwa-Aram pâkatî kwemilambô,[1] emzini ka-Nahore.

11 Waziguqisa in-kamela ngapândle komzi, ngasequleni lamanzi, ngexa langokuhlwa, ngexa lokupûma kwabakî bamanzi.

12 Watî, Yehova, Tîxo wenkosi yam u-Abraham, maunditâmsanqele namhla, uyenzele inkosi yam u-Abraham inceba.

13 Yabona, ndimi ngasemtônjeni wamanzi, intombî zabantu balomzi ziyapûma ziza kukâ amanzi;

14 Ke intombî, endotî kuyo, Etê umpânda wakô, ndisele, ize itî, Sela, nen-kamela zakô ndoziseza nazo, mayibe yiyo oyimisele umkônzi wakô u-Isake, ndazi mna ngoko, ukuba uyenzele inkosi yam inceba.

15 Kwatî, ingekagqibi ukutêtâ, gqi u-Rebeka esiza, lowo wazalwayo ngu-Betuweli unyana ka-Milka, umka-Nahore, umninawe ka-Abraham, enompânda wakê egxalabeni lakê.

16 Intombî-leyo ibintle kunene imbônakalo, intombî eyintombî, engaziwanga ndoda; yehla yeza emtônjeni, yawuzalisa umpânda wayo, yenyuka.

17 Wagidima umkônzi waya kuyikâulela, watî, Ndipê ndisele intwana yamanzi empândeni wakô.

18 Yatî, Sela, nkosi yam; yakâuleza yawuhlisela esandleni umpânda wayo, yamseza.

19 Yakugqiba ukumseza, yatî, Nen-kamela zakô ndiya kuzikêlela zide zigqibe ukusela.

20 Yakâuleza yawugalela umpânda wayo emkômbêni wokuseza, yagidima yakukâ futî equleni, yazikêlela zonke in-kamela zake.

21 Indoda-leyo ye-nqa yiyo, itê-cwaka, ukuze yazi ukuba u-Yehova uyipûmelelisile indlela yayo, akayipûmelelisanga, kusinina.

22 Kwatî, in-kamela zigqibile ukusela, indoda-leyo yatâbatâ ijikazi lempumlo legolide, elisiqingatâ se-shekele[2] ubunzima balo, nezacôlo zozibini zokufakwa ezandleni ezizi-shekele ezilishumi ze-golide ubunzima bazo,

23 Yatî, Uyintombî kabanina wena? kâundixelele; kukô ndawo-na yokulala endlwini kayihlo?

24 Yatî kuye, Ndiyintombî ka-Betuweli unyana ka-Milka, awamzalela u-Nahore.

25 Yatî kuye, Sinawo umququ kwa nefula eninzi, nendawo yokulala.

26 Yatôba indoda-leyo, yaqubuda ku-Yehova,

27 Yatî, Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo wenkosi yam u-Abraham, ongayiyekelelanga inceba yakê nenyaniso yakê imke enkosini yam; utê ndisendleleni u-Yehova wandikôkelela endlwini yabazalwana benkosi yam.

[1] Mesopotami kwi-testamento entsha.

[2] I-shekele ezingamashumi mabini anane ziyi-ponti enye yobunzima.

Digitized by Google

28 Yakâuleza intombî-leyo, yaxelela indlu kanina ngokwalamazwi.

29 U-Rebeka waye nomnakwabo, ogama belingu-Laban; wagidima u-Laban waya endodeni-leyo ngapândle emtônjeni.

30 Ke kwatî, akulibona ijikazi lempumlo nezacólo ezandleni zodade wabo, watî, akuweva amazwi ka-Rebeka udade wabo, esitî, Yenje nje indoda-le ukutêtâ kum; waya kuyo indoda, nantso imi ngasezin-kameleni ngasemtônjeni.

31 Watî, Yiza wena usikelelweyo ngu-Yehova, umele-nina ngapândle? mna ndiyilungisile indlu nendawo yen-kamela.

32 Yangena indoda-leyo endlwini, wazikûlula in-kamela zayo; in-kamela wazinika umququ ne-fula, *wayinika* amanzi okuhlambâ inyawo zayo nenyawo zamadoda abe nayo.

33 Kwabekwa ukudla pâmbî kwayo. Yatî yona, Andiyi kudla, ndide ndilitêtê ilizwi lam. Watî, Têtâ.

34 Yatî, Ndingumkônzi ka-Abraham.

35 U-Yehova uyisikelele kunene inkosi yam; wayikûlisa, wayinika impahla emfutshane, nenkomo, ne-silivere, ne-golide, nabakônzi, namakóbokazana, nenkamela, nama-esile.

36 Ke u-Sara, umfazi wenkosi yam, wayizalela inkosi yam unyana emveni kokuba seyalupéle; imnike zonke izinto enazo.

37 Yandifungisa-ke inkosi yam, isitî, Unyana wam uz'ungamzekeli umfazi ezintombîni zama-Kanan, endihleli ezweni lawo mna.

38 Suka uye endlwini kabawo emizalwaneni yakowetû, umzekele unyana wam umfazi.

39 Ndatî enkosini yam, Hi, ayandilandela inkazana-leyo?

40 Yatî kum, U-Yehova, endihambâ pâmbî kwakê, wositûma isitûnywa sakê siye nawe, ayenze ibe nempumelelo indlela yakô, umzekele unyana wam umfazi emizalwaneni yakowetû nasendlwini kabawo.

41 Wandule ukuba msulwa esifungweni sam, xa ufikileyo emizalwaneni yakowetû; ukuba abatânga bakunike, woba msulwa esifungweni sam.

42 Ndifikile-ke namhla-nje emtônjeni, ndatî, Yehova, Tixo wenkosi yam u-Abraham, ukuba kaloku uyenze yanempumelelo indlela yam endihambâ ngayo,

43 Yabona, ndimi ngasemtônjeni wamanzi, ke intombî epûma isiza kukâ, nditî kuyo, Kâundipê ndisele intwana yamanzi empândeni wakô;

44 Itî kum, Sela wena, nen-kamela zakô ndozikêlela nazo, mayibe yiyo engumfazi u-Yehova ammiseleyo unyana wenkosi yam.

45 Ndingekagqibi mna ukutêtâ entliziyweni yam, gqi u-Rebeka esiza enompânda egxalabeni lakê, wehla waya emtônjeni, wakâ; ndatî kuye, Kâundipé ndisele;

46 Wakâuleza, wawuhlisa umpânda wakê kuye, watî, Sela, nen-kamela zakô ndoziseza; ndasela-ke, waziseza nen-kamela.

47 Ndambuza ndatî, Uyintombî kabanina? Watî, Ndiyintombî ka-Betuweli unyana ka-Nahore, lowo wamzalelwa ngu-Milka. Ndamfaka-ke ijikazi lempumlo etâtêni lakê, nezacólo ezandleni zakê.

48 Ndatóba, ndaqubuda ku-Yehova, ndambonga u-Yehova, u-Tixo wenkosi yam u-Abraham, ondikókeleyo endleleni eyinyaniso, ukuba ndimzekele unyana wakê intombî yomzalwana wenkosi yam.

49 Ngoku-ke ukuba niyayenzela inceba nenyaniso inkosi yam, ndixeleleni; ukuba anenje njalo, ndixeleleni; ukuze ndibêke ekunene, nokuba kusekôhlo.

50 Wapêndula u-Laban no-Betuweli, batî, Lento ipûma ku-Yehova, asinakutêtâ nto kuwe, nokuba yembî nokuba yelungileyo.

51 Nanko u-Rebeka pâmbî kwakô, mtâbatê, uhambê, abe ngumfazi wonyana wenkosi yakô, njengoko akutêtileyo u-Yehova.

52 Kwatî, akuweva umkônzi ka-Abraham amazwi abo, waqubuda emhlabeni ku-Yehova.

53 Umkônzi wavelisa impahla ye-silivere, nempahla ye-golide, nezambâtô, wanika u-Rebeka; wanika umnakwabo nonina izinto ezinconywayo.

54 Badla basela, yena namadoda abe naye, balala, bavuka kusasa, watî, Ndindululeni ndiye enkosini yam.

55 Watî umnakwabo nonina, Makê ihlale intombî natî intsuku nokuba zilishumi, ihambê-ke emveni koko.

56 Watî kubo, Musan' ukundibambêzela, u-Yehova uyenze yanempumelelo indlela yam; ndindululeni ndiye enkosini yam.

Digitized by Google

57 Bati, Masiyibize intombî, sive ngomlomo wayo.

58 Bambiza u-Rebeka, batî kuye, Uya kuhambâ-na nalendoda? watî, Ndohambâ.

59 Bamndulula-ke u-Rebeka udade wabo, nomanyisikazi wakê, nomkônzi ka-Abraham, namadoda abe naye.

60 Bamsikelela u-Rebeka, batî kuye, Ungudade wetû, yiba ngamawakawaka, imbewu yakô ilidle ilifa isango labo bayitîyayo.

61 Wesuka u-Rebeka nomtînjana wakê, bakwêla ezin-kameleni, balandela emva kwendoda-leyo; umkônzi wamtâbatâ-ke u-Rebeka, wemka.

62 Kekaloku u-Isake weza ngendlela evela equleni lika-Pîla-endibona, kuba ebemi ezweni lase-Zantsi.

63 Wapûma u-Isake, waya kucamngca entsimini, xa kuhlwayo, wawapâkamisa amehlo akê, wabona, nanzo in-kamela zisiza.

64 U-Rebeka wawapâkamisa amehlo akê, wambona u-Isake, wazipôsa pântsi wehla en-kameleni.

65 Watî kumkônzi, Ngubanina lomfo uhambâyo entsimini esiza kusikâulela? Watî umkônzi, Yinkosi yam. Watâbatâke isigqubutêlo, wazigqubutêla.

66 Umkônzi wamxelela u-Isake izinto zonke abezenzile.

67 U-Isake wamsa en-tenteni ka-Sara unina, wamzeka u-Rebeka, waba ngumkake; wamtânda. U-Isake watûtûzelekake ngenxa yonina.

25 Wabuya u-Abraham wazeka umfazi, igama lakê lalingu-Ketura.

2 Wamzalela u-Zimran, no-Yokeshan, no-Medan, no-Midiyan, no-Ishibaki, no-Shuwa.

3 U-Yokeshan wazala u-Sheba no-Dedan; onyana baka-Dedan bebe ngama-Asuri, nama-Letushi, nama-Lehum.

4 Onyana baka-Midiyan ngu-Efa, no-Efere, no-Enoki, no-Abida, no-Elidaha. Bonke abo ngonyana baka-Ketura.

5 U-Abraham wazinika u-Isake zonke izinto abe nazo.

6 Ke onyana bamashweshwe, abe nawo u-Abraham, wabanika izipô u-Abraham; wabandulula bemka ku-Isake unyana wakê, esekô, basinga empumalanga ezweni lasempumalanga.

7 Yiyo le imihla yeminyaka yokudla ubomi kuka-Abraham awayidlayo: yiminyaka elikûlu elinamanci asixênxe aneminyaka emihlanu.

8 U-Abraham wapûma umpêfumlo, wafa, eyingwevu enkulu, alupêle, epêlele ebudaleni; wahlanganiselwa kwabakowabo.

9 O-Isake no-Ishmayeli onyana bakê bamncwâba emqolombêni wase-Makapela, entsimini ka-Efron unyana ka-Tsohare, um-Heti, pâmbî kowakwa-Mamre,

10 Entsimini-leyo wayitêngayo u-Abraham konyana baka-Heti; uncwâtyelwe kôna u-Abraham, no-Sara umkakê..

11 Kwatî, emveni kokufa kuka-Abraham, u-Tixo wamsikelela u-Isake unyana wakê; u-Isake wahlala ngasequleni lika-Pîla-endibona.

12 Yiyo le-ke inzala ka-Ishmayeli unyana ka-Abraham, awatî u-Hagare um-Yiputazana, ikôbokazana lika-Sara, lamzalela u-Abraham.

13 Ngawo la amagama onyana baka-Ishmayeli ngamagama abo ngokwenzala yabo: owamazibulo ka-Ishmayeli ngu-Nebayoti, no-Kedare, no-Adebele, no-Mibesam,

14 No-Mishma, no-Duma, no-Masa,

15 U-Hadade, no-Tema, no-Yeture, no-Nafishi, no-Kedema.

16 Ngabo abo onyana baka-Ishmayeli, ngawo lawo amagama abo nge-lali zabo, nangenêqili zabo, izikûlu ezilishumi elinazibini ngokwezizwe zazo.

17 Yiyo le iminyaka yokudla ubomi kuka-Ishmayeli: iminyaka elikûlu elinamanci matâtû, aneminyaka esixênxe; wapûma umpêfumlo, wafa; wahlanganiselwa kwabakowabo.

18 Bema betâbatêla e-Havila besa e-Shure, pâmbî kwe-Yiputa ukusinga kwelakwa-Asuri; wazihlalisa ebusweni babo bonke abazalwana bake.

19 Yiyo le-ke inzala ka-Isake unyana ka Abraham. U-Abraham wazala u-Isake.

20 U-Isake waye minyaka ingamashumi omane ezelwe, ukuzeka kwakê u-Rebeka intombî ka-Betuweli um-Aram wase-Padanaram,[1] udade bo-Laban um-Aram, ukuba abe ngumkakê.

21 Watândaza u-Isake ku-Yehova mayela nomkakê, ngokuba ebengazali. Wa-

[1] I-Siriya kwi-Testamente entsha.

Digitized by Google

tândazeka u-Yehova, wamitâ u-Rebeka umkakê.

22 Batyâlana abantwana embilinini wakê, watî, Ukuba kunjalo, yinina ukuba ndibe nje? Waya kubuza ku-Yehova.

23 Watî u-Yehova kuye,
Zimbîni intlanga esizalweni sakô;
Kuya kwahluka zizwe zibini esiswini sakô,
Esinye somelele ngapézu kwesinye,
Omkûlu uya kukônza omnci.

24 Yazaliseka-ke imihla yakê yokuzala, nanko, ingamawele esizalweni sakê.

25 Lapûma elokuqala lingqombêla, lonke lipêla njengengubo exônti; balitîya igama elingu-Esau.[1]

26 Emveni koko kwapûma umninawe walo, isandla sakê sibambê isitênde sika-Esau, wamtîya igama elingu-Yakobi.[2] U-Isake waye minyaka imashumi matândatû ezelwe ukuzalwa kwabo.

27 Akula-ke amakwenkwe; u-Esau waba lizingela, indoda yasendle; u-Yakobi waba yindoda egqibeleleyo, ihleli ezin-teneni.

28 U-Isake watânda u-Esau, ngokuba inyamakazi ibimnandi emlonyeni wakê; ke yena u-Rebeka watânda u-Yakobi.

29 U-Yakobi wayepêke ukudla; wafika u-Esau evela ezindle, etŷafile.

30 Watî u-Esau ku-Yakobi, Kâundipê ndiginye kwinto engqombêla, lonto ingqombêla, kuba ndityafile; ngenxa yoko kwatîwa igama lakê ngu-Edom.[3]

31 Watî u-Yakobi, Têngisa namhla-nje ngobuzibulo bakô kum.

32 Watî u-Esau, Yabona, ndiza kufa, buyinto-nina kum ubuzibulo?

33 Watî u-Yakobi, Ndifungele namhla-nje. Wamfungela; watêngisa-ke ngobuzibulo bakê ku-Yakobi.

34 U-Yakobi wamnika u-Esau isonka ne-lentile ezipêkiweyo; wadla, wasela, wesuka wemka, wabudela-ke u-Esau ubuzibulo *bakê*.

26 Kwabakô indlala ezweni ngapândle kweyokuqala indlala, eyayikô ngemihla ka-Abraham; waya u-Isake ku-Abimeleki ukumkani wama-Filisti, e-Gerare.

2 U-Yehova wabonakala kuye, watî, Mus' ukuhla uye e-Yiputa, yima ezweni endiya kukuxelela lona.

3 Pâmbûkela kwelozwe, ndoba nawe, ndikusikelele; kuba ndiya kuwanika wena nembêwu yakô onke lamazwe, ndisimise isifungo endasifungayo ku-Abraham uyihlo;

4 Ndiyandise imbêwu yakô njengenkwenkwezi zezulu, ndiyinike imbêwu yakô onke lamazwe, zisikelelwe ngembêwu yakô zonke intlanga zomhlaba;

5 Ngenx' enokuba u-Abraham walipûlapûlayo izwi lam, wasigcina isigxina sam, nemitêtô yam, nemimiselo yam, nemiyalo yam.

6 Wahlala u-Isake e-Gerare.

7 Abuza amadoda alondawo ngomkakê; watî, Ngudade wetû, kuba ebesoyika ukutî, Ngumkam; hleze ambulale amadoda alendawo ngenxa ka-Rebeka, ngokuba ebe mhle imbônakalo.

8 Kwatî, akubon' ukuba ulibele umzuzu kôna, wondela u-Abimeleki ukumkani wama-Filisti, nge-festile; wakângela, nanko, u-Isake edlala no-Rebeka umkakê.

9 U-Abimeleki wambiza u-Isake, watî, Yabona, inene ngumkakô lo, ungatî-nina ukutî, Ngudade wetû; watî u-Isake kuye, Bendisitî, hleze ndife ngenxa yakê.

10 Watî u-Abimeleki, Yinina ukuba wenze lento kutî? Otîle ebantwini ebengatî alale nomkakô, ube usizisele ityala.

11 U-Abimeleki wawisela bonke abantu umtêtô wokutî, Lowo uyicûkumisayo lendoda nomkayo wobulawa afe.

12 U Isake wahlwayela kwelozwe, wazuza ngalonyaka imilinganiso elikûlu; u-Yehova wamsikelela.

13 Yaba nkûlu indoda-leyo, yaya ikûla ngokukûla, yada yaba nkulu kunene.

14 Yaba nemfuyo yempahla emfutshane, nemfuyo yenkomo, nabakônzi abaninzi; ayimonela ama-Filisti.

15 Onke amaqula ababewambîle abakônzi bakayise ngemihla ka-Abraham uyise, awavingca ama-Filisti, awadibelela ngomhlaba.

16 Watî u-Abimeleki ku-Isake, Mka kutî, ngokuba usuke waba namandla amakûlu kunatî.

17 U-Isake wemka-ke apô, wamisa in-tente esihlanjeni sase-Gerare, wahlala kôna.

18 Wabuya u-Isake wawambâ amaqula amanzi, ababewambîle ngemihla ka-Abraham uyise, abevingciwe ngama-Filisti emveni kokufa kuka-Abraham; wawabiza ngamagama abewabize ngawo uyise.

[1] U-Xônti. [2] U-Bambâ-ngesitênde. [3] U-Ngqombô.

Digitized by Google

19 Bembâ abakônzi baka-Isake esihla njeni-eso, bafumana kôna iqula lamanzi apilileyo.
20 Abalûsi base-Gerare babambâna nabalûsi baka-Isake, besitî, Ngawetû lamanzi, watî igama lequla-elo yi-Eseke,[1] kuba babezamana naye.
21 Bembâ elinye iqula, babambâna nangalo, watî igama lalo yi-Sitena.[2]
22 Wesuka kôna, wembâ elinye iqula, ababambânanga ngalo; watî igama lalo yi-Rehoboti,[3] watî, Inene, ngoku u-Yehova usenzele indawo ebanzi, ukuze siqâme ezweni apa.
23 Wenyuka emka kôna, waya e-Bersheba.
24 U-Yehova wabonakala kuye ngobobusuku, watî, Ndingu-Tîxo ka-Abraham uyihlo, mus' ukoyika, kuba ndinawe; ndiya kukusikelela, ndiyandise imbêwu yakô ngenxa ka-Abraham isicaka sam.
25 Waka kôna isibingelelo, wanqula igama lika-Yehova, wayimisa kôna in-tente yakê; abakônzi baka-Isake bembâ kôna iqula.
26 Kekaloku u-Abimeleki weza kuye epûma e-Gerare, no-Ahuzati isihlobo sakê, no-Fikolo umtêtêli womkôsi wakê.
27 Watî u-Isake kubo, Nizele-nina kum? nanditîyayo-nje, nandindulula kuni.
28 Batî, Sibone kakuhle ukuba u-Yehova unawe; satî, makubekô isifungo pâkatî kwetû, pâkatî kwetû nawe, senze umnqopîso nawe,
29 Wokuba ungasenzeli bubi, njengokuba singakusunduzanga, njengokuba sikwenzele okulungileyo kodwa, sakundulula unoxolo; ngoku usikelelwe ngu-Yehova.
30 Wabenzela isidlo, badla, basela.
31 Bavuka kusasa, bafungelana; u-Isake wabandulula, bemka kuye benoxolo.
32 Kwatî ngalomini, bafika abakônzi baka-Isake, bamxelela indawo yequla ababelimbîle, batî kuye, Siwafumene amanzi.
33 Watî liyi-Shiba;[4] ngenxa yoko igama lalomzi liyi-Ber-sheba unanamhla.
34 Kekaloku u-Esau, akuba minyaka imashumi mane ezelwe, wazeka umfazi u-Yuditi intombî ka-Beri, um-Heti, no-Basemati intombî ka-Elon, um-Heti,
35 Baba capûkisa u-Isake no-Rebeka.

27 Kwatî, akwalupâla u-Isake, amehlo akê enofatyazo ukuba angabo-

[1] Ipike. [2] Ubutshaba.
[3] Indawo-ezibanzi. [4] Isifungo.

ni, wambiza u-Esau unyana wakê omkûlu, watî kuye, Nyana wam; watî yena kuye, Ndikô.
2 Watî, Kâubone, ndalupêle, andiyazi imini yokufa kwam.
3 Kâutâbatê ngoku intonga zakô, umpôngolo wakô nesapêta sakô, uye ezindle, undizingelele inyamakazi,
4 Undenzele ukudla okunencasa njengoko ndikutândayo, ukuzise kum, ndidle; ukuze umpêfumlo wam ukusikelele ndingekafi.
5 Kekaloku u-Rebeka wayesiva, ukuba u-Isake utêtâ ku-Esau unyana wake. U-Esau waya kuzingela inyamakazi ezindle, ukuba ayizise.
6 U-Rebeka watêtâ ku-Yakobi unyana wakê, watî, Yabona, ndive uyihlo etêtâ ku-Esau umkûluwe wakô, esitî,
7 Ndizisele inyamakazi, undenzele ukudla okunencasa, ndidle, ndikusikelele pâmbî ko-Yehova ndingekafi.
8 Ngoko-ke nyana wam, lipûlapûle izwi lam ngento endikuwisela umtêtô ngayo.
9 Kâuhambê uye emhlambîni, unditâbatêle kôna amatâkane amabini e-bokwe alungileyo, ndenzele uyihlo ukudla okunencasa njengoko akutândayo,
10 Ukuse kuyihlo, adle, ukuze akusikelele engekafi.
11 Watî u-Yakobi ku-Rebeka unina, Yabona, u-Esau umkûluwe wam yindoda exônti, mna ndiyindoda egudileyo,
12 Mhlaumbî ubawo wondiva, ndibe njengomgculeli emehlweni akê, ndizizisele intshwabulelo, ndingaziziseli intsikelelo.
13 Watî unina kuye, Makube pêzu kwam ukushwatyulelwa kwakô, nyana wam; pûlapûla izwi lam wena, uye unditâbatêle.
14 Waya wawatâbatâ, wawazisa kunina; unina wenza ukudla okunencasa, njengoko akutândayo uyise.
15 U-Rebeka watâbatâ ingubo zika-Esau unyana wakê omkûlu, ezinqwenelekayo, ezibe zikuye endlwini, wambâtîsa u-Yakobi unyana wakê omnci.
16 Izintsû zamatâkane-lawo e-bokwe wambâtîsa ngazo izandla zakê, nendawo egudileyo yentamo yakê;
17 Wabeka esandleni sika-Yakobi unyana wakê ukudla okunencasa, nesonka abesenzile.
18 Weza kuyise, watî, Bawo; watî yena, Ndikô. Ungubanina, nyana wam?
19 Watî u-Yakobi kuyise, Ndingu-Esau,

Digitized by Google

amazibulo akô; ndenzē njengoko watêtâ ngako kum; kâuvuke-ke uhlale, udle inyamakazi yam, ukuze umpêfumlo wakô undisikelele.

20 Watî u-Isake kunyana wakê, Kutênina lento ukâulezileyo ukuyifumana, nyana wam? Watî yena, U-Yehova u-Tixo wakô unditâmsanqelisile.

21 Watî u-Isake ku-Yakobi, Kâusondele, ndikuve, nyana wam, ukuba unguyena kanye unyana wam u-Esau, akunguye, kusinina?

22 Wasondela u-Yakobi ku-Isake uyise, wamva, watî, Izwi lona lizwi lika-Yakobi, kodwa izandla zizandla zika-Esau.

23 Akamnakana-ke, kuba izandla zakê zaba noboya njengezandla zika-Esau umkûluwe wakê; wamsikelela-ke.

24 Watî, Wena lo ungunyana wam u-Esau-na? Watî yena, Ndinguye.

25 Watî, Sondeza kum, ndidle inyamakazi yonyana wam, ukuze umpêfumlo wam ukusikelele. Wayisondeza kuye, wadla, wamzisela ne-wayinî, wasela.

26 Watî uyise u-Isake kuye, Kâusondele undange, nyana wam.

27 Wasondela, wamanga, waliva ivumbâ lengubo zakô, wamsikelela, watî,

Yabona, ivumbâ lonyana wam linjengevumbâ lelizwe elisikelelwe ngu-Yehova.

28 Ngamana u-Tixo wakunika kuwo umbetê wezulu,
Nakuko ukucûma komhlaba,
Nentabalala yenqôlowa ne-wayini entsha;

29 Izizwe mazikukônze,
Izizwe ziqubude kuwe.
Yiba yinkosi kubazalwana bakô,
Baqubude kuwe onyana bakanyoko;
Uqalekisiwe okuqalekisayo,
Usikelelwe okusikelelayo.

30 Kwatî, akubon' ukuba ugqibile u-Isake ukumsikelela u-Yakobi, kwatî, akut' ukupûma u-Yakobi ebusweni buka-Isake uyise, wangena u-Esau umkûluwe wakê, evela ekuzingeleni kwakê.

31 Naye wenza ukudla okunencasa, wazisa kuyise, watî kuyise, Makavuke ubawo adle inyamakazi yonyana wakê, ukuze umpêfumlo wakô undisikelele.

32 Watî u-Isake uyise kuye, Ungubanina? Watî, Ndingunyana wakô u-Esau, amazibulo akô.

33 U-Isake wagubâ ngokugubâ okukûlu kunene, watî, Ngubanina lo pofu uzingele inyamakazi, wayizisa kum, ndadla entweni yonke ungekafiki wena, ndamsikelela? Wosikeleleka-ke.

34 Akuweva u-Esau amazwi oyise, wakâla ngesikâlo esikûlu esiťaťa kunene, watî kuyise, Ndisikelele nam, bawo.

35 Watî yena, Kufike umninawe wakô ngenkohliso, wayitâbatâ intsikelelo yakô.

36 Watî, Kungokuba igama lakê kusitîwa ngu-Yakobi-na [1] lento andigweqe ezizihlandlo zozibini? Watâbatâ ubuzibulo bam; nanku, ngoku etâbatê nentsikelelo yam. Watî, Akundibekelanga ntsikelelona mna?

37 Wapêndula u-Isake, watî ku-Esau, Yabona, ndimmisile wayinkosi yakô, nabo bonke abazalwana bakê ndibanike yena, baba ngabakônzi; ndamxâsa ngenqôlowa newayini entsha. Yinto-nina kaloku endingakwenzela yona, nyana wam?

38 Watî u-Esau kuyise, Inye-na lentsikelelo unayo, bawo? Ndisikelele nam, bawo. Walipâkamisa u-Esau izwi lakê, walila.

39 Wapêndula u-Isake uyise, watî kuye,
Yabona, ikâya lakô liyakuba lē nokucûma komhlaba,
Lē nombetê wezulu ovela pezulu.

40 Uya kupîla ngecele lakô, umkônze umninawe wakô;
Kutî ngokoko udlokove ngako,
Uyapûle idyokwe yakê isuke entanyeni yakô.

41 U-Esau wamcâsa u-Yakobi ngenxa yentsikelelo awamsikelela ngayo uyise; u-Esau watî entliziyweni yakê, Iya kusondela imihla yesijwili sikabawo, ndimbulale-ke u-Yakobi umninawe wam.

42 Wawaxelelwa u-Rebeka amazwi ka-Esau unyana wakê omkûlu, watûmela, wambiza u-Yakobi unyana wakê omnci, watî kuye, Yabona, u-Esau umkûluwe wakô uzitûtûzela ngawe ngokukubulala.

43 Ngoko-ke, nyana wam, pûlapûla izwi lam, usuke ubalekele ku-Laban umnakwetû kwa-Haran;

44 Uhlale naye intsuku ezitîle bude bubuye ubushushu bomkûluwe wakô;

45 Ude umsindo womkûluwe wakô ubuye kuwe, ayilibale into oyenzileyo kuye; nditûmele-ke, ndikupûtûme kônа. Yinina ukuba ndihlutwê nina nobabini ngamini nye?

[1] U-Gweqe.

Digitized by Google

46 Kekaloku u-Rebeka watî ku-Isake, Ndiruqukile bubomi bam ngenxa yentombî zakwa-Heti. Ukuba u-Yakobi uté wazeka umfazi ezintombîni zakwa Heti, ezinjengezintombî zelilizwe, boba yintonina kum obubom?

28 U-Isake wambiza u-Yakobi, wamsikelela, wamwisela umtétô, watî kuye, Uz'ungazeki mfazi ezintombîni zakwa-Kanan.

2 Suk'uye e-Padan-aram, endlwini ka-Betuweli unyokokûlu uzeke kôna umfazi ezintombîni zika-Laban unyokolume.

3 Ngamana u-Tîxo u-Somandla wakusikelela, wakuqâmisa, wakwandisa, ukuze ube sikúngu sezizwe;

4 Akunike intsikelelo ka-Abraham wena nembéwu yakô ndawonye nawe, ukuze ulidle ilifa ilizwe lokupâmbûkela kwakô, elo u-Tîxo walinika u-Abraham.

5 U-Isake wamndulula-ke u-Yakobi; waya e-Padan-aram, ku-Laban unyana ka-Betuweli um-Aram, umnakwabo bo-Rebeka, unina bo-Yakobi no-Esau.

6 U-Esau wabona ukuba u-Isake umsikelele u-Yakobi, wamndulula ukuba aye e-Padan-aram, azeke kôna umfazi; ekumsikeleleni kwakê wamwisela umtétô wokutî, Uz'ungazeki mfazi ezintombîni zakwa-Kanan;

7 No-Yakobi umpûlapûle uyise nonina, waya e-Padan-aram;

8 Wabona u-Esau, ukuba intombî zakwa-Kanan azifunwa ngu-Isake uyise;

9 Wasuka waya u-Esau ku-Ishmayeli, wazeka u-Mahalati intombî ka-Ishmayeli, unyana ka-Abraham, udade bo-Nebayoti, pézu kwabafazi bakê, wangumkakê.

10 Wapûma-ke u-Yakobi e-Ber-sheba, waya kwa-Haran.

11 Watî-qata ndaweni itîle walala kôna, kuba belitshonile ilanga. Watâbatâ kumatye alondawo, wabeka pântsi kwentloko yakê, walala kulondawo.

12 Wapûpâ, ebona i-leli imisiwe emhlabeni, intloko yayo iye yafika ezulwini; nanzo izitûnywa zika-Tîxo zinyuka zisihla ngayo;

13 Nanko u-Yehova emi pézu kwayo, watî, Ndingu-Yehova u-Tîxo ka-Abraham uyihlo, u-Tîxo ka-Isake; ilizwe-elo ulele kulo, ndiya kulinika wena nembéwu yakô,

14 Imbéwu yakô ibe njengotûli lomhlaba, upângalale usinge entshonalanga nasempumalanga, nase-Ntla nase-Zantsi, zisikelelwe ngawe nangembéwu yakô zonke izizwe zomhlaba.

15 Yabona, ndinawe, ndiya kukugcina napî apô uya kôna, ndikubuyisele kulomhlaba; ngokuba andikukushiya ndide ndikwenze oko ndikutétîleyo kuwe.

16 Wavuka u-Yakobi ebutôngweni bakê, watî, Kunje-nje-ke, u-Yehova ukô kulendawo, kanti mna bendingazi.

17 Woyika watî, Asikukô nokuba iyoyikeka lendawo, yindlu ka-Tîxo le ayinto yimbî, lisango lamazulu eli.

18 Wavuka u-Yakobi kwakusasa, walitâbatâ ilitye abelibeke pântsi kwentloko yakê, walimisa lasimiso, watûlula i-oli pêzu kwalo.

19 Watî igama lalondawo yi-Beteli,[1] nangona beliyi-Luzi igama lalomzi ekuqaleni.

20 Wabâmbâtîsa ngesibâmbâtîso u-Yakobi, esitî, Ukuba u-Tîxo uté wanam, wandigcina kuyo lendlela ndiyihambâyo, wandinika isonka ndadla, nengubo ndambâtâ,

21 Ndabuyela endlwini kabawo ndinoxolo: u-Yehova woba ngu-Tîxo wam,

22 Nelilitye ndilimisileyo lasimiso loba yindlu ka-Tîxo, nento zonke otê wandinika, ndokunika isishumi sazo.

29 Wesuka u-Yakobi, waya ezweni labasempumalanga,

2 Wakângela, wabona iqula ezweni, nantso, ikona imihlambî emitâtû yempahla emfutshane ibutîle ngakulo; kuba imihlambi yayisezwa kweloqula; kukô ilitye elikûlu emlonyeni wequla.

3 Yabihlanganiselwa kôna yonke imihlambî, baliqengqe ilitye, balisuse emlonyeni wequla, bayiseze impahla emfutshane, balibuyisele ilitye elo emlonyeni wequla endaweni yalo.

4 U-Yakobi watî kubo, Bazalwana bam, nivela pîna? Batî bona, Sivela kwa-Haran.

5 Watî kubo, Niyamazi-na u-Laban unyana ka-Nahore? Bati, Siyamazi.

6 Watî kubo, Usapîlile-na? Batî, Usapîlile, nanku, no-Raheli intombî yakê esiza nempahla emfutshane.

7 Watî, Yabonani, kusesemini enkulu, asilixa lokuhlanganisa impahla; yisezeni impahla emfutshane, niye kwalûsa.

8 Batî, Asinakô ide ihlanganiswe yonke

[1] Indlu ka-Tîxo.

Digitized by Google

imihlambî, liqengqwe ilitye, lisuke emlonyeni wequla, siyiseze-ke impahla emfutshane.

9 Kekaloku esatêtâ nabo, wafika u-Raheli nempahla emfutshane kayise, kuba ubeyalûsa.

10 Kwatî, u-Yakobi akumbona u-Raheli intombî ka-Laban, uninalume, nempahla emfutshane ka-Laban uninalume, wasondela u-Yakobi, waliqengqa ilitye lesuka emlonyeni wequla, wayiseza impahl' emfutshane ka-Laban uninalume.

11 U-Yakobi wamanga u-Raheli, walipâkamisa izwi lakê, wasitsho isililo.

12 U-Yakobi wamxelela u-Raheli ukuba ungumzalwana kayise, nokuba ungunyana ka-Rebeka. Wagidima yena waxelela uyise.

13 Kwatî, u-Laban akuluva udaba luka-Yakobi unyana wodade wabo, wagidima waya kumkâulela, wamwola, wamanga, wamngenisa endlwini yakê. Yena wambalisela u-Laban ngezondawo zonke.

14 Watî u-Laban kuye, Okunene, ulitâmbô lam, uyinyama yam. Wahlala naye inyanga ipêla.

15 Watî u-Laban ku-Yakobi, Kungokuba ungumzalwana wam-na, lento undikônza ngelizé? ndixelele umvuzo wakô.

16 Kekaloku u-Laban waye nentombî ezimbîni, igama lenkulu lalingu-Leya, igama lenci lalingu-Raheli.

17 Ke u-Leya waye necâpoti; u-Raheli waye mhle isiqu, emhle imbônakalo.

18 U-Yakobi ubemtânda u-Raheli, watî, Ndokukônza iminyaka esixênxe ngenxa ka-Raheli intombî yakô enci.

19 Watî u-Laban, Kulungile ukuba ndimnike wena kunokuba ndimnike enye indoda; hlala nam-ke.

20 U-Yakobi wakônza-ke iminyaka esixênxe ngenxa ka-Raheli; yanga yimihla embalwa emehlweni akê ngenxa yokumtânda kwakê.

21 Watî u-Yakobi ku-Laban, Etê umkam, kuba izalisckile imihla yam, ukuba ndimngene.

22 Wawahlanganisa u-Laban onke amadoda alondawo, wenza umsitô.

23 Kwatî ngokuhlwa, watâbatâ u-Leya intombî yakê, wamngenisa kuye; wamngena-ke yena.

24 Intombi yakê u-Leya u-Laban wayinika u-Zilpa ikôbokazana lakê, ukuba abe likôbokazana layo.

25 Kwatî kusasa, kwabonakala ingu-Leya. Watî ku-Laban, Yinto-nina lento uyenzileyo kum? andikukônze ngenxa ka-Raheli-na? Yinina ukuba undikohlise?

26 Watî u-Laban, Akwenjiwa njalo kowetû, ukutî kwendiswe enci pâmbî kweyamazibulo.

27 Zalisa i-veki yalê, waleke eminye iminyaka esixênxe, sokunika naleyo ngenkonzo oya kundikônza ngayo.

28 Wenje njalo u-Yakobi, wayizalisa iveki yalê. Wamnika-ke u-Raheli intombî yakê, yaba ngumkakê.

29 Intombî yakê u-Raheli u-Laban wayinika u-Biliha ikôbokazana lakê, ukuba abe likôbokazana layo.

30 Wamngena u-Raheli, wamtânda u-Raheli pézu ko-Leya, wakônza-ke waleka eminye iminyaka esixênxe.

31 U-Yehova wabona ukuba u-Leya utîyiwe, wasivula isizalo sakê; ke u-Raheli ebengazali.

32 Wamitâ-ke u-Leya, wazala unyana, wamtîya igama elingu-Ruben,[1] ngokuba ebesitî, U-Yehova uzibonile intsizi zam; inene, iya kunditânda ngoku indoda yam.

33 Wabuya wamitâ, wazala unyana; watî, U-Yehova uvile ukuba nditîyiwe, wandinika naló; wamtîya igama elingu-Simon.[2]

34 Wabuya wamitâ, wazala unyana; watî, Kôna ngoku, iya kunamatêla kum indoda yam, kuba ndiyizalele onyana abatâtû; ngenxa yoko wamtîya igama elingu-Levi.[3]

35 Wabuya wamitâ, wazala unyana; watî, Okwesisihlandlo ndiya kumdumisa u-Yehova; ngenxa yoko wamtîya igama elingu-Yuda.[4] Wanqamka ukuzala.

30 Kekaloku u-Raheli akubona ukuba akamzaleli mntwana u-Yakobi, u-Raheli wammonela udade wabo, watî ku-Yakobi, Ndinike abantwana, ukuba akundiniki, ndofa.

2 Wavutâ umsindo ka-Yakobi ngaku-Raheli, watî, Ndisesikûndleni sika-Tixo-na okuvimbileyo isiqâmo sesizalo?

3 Watî yena, Nantso impelesi yam u-Biliha, yingene, izalele emadolweni am, ndakêke nam ngayo.

[1] U-Bonani-unyana. [2] U-Viwe.
[3] U-Namatêle. [4] U-Dumisa.

Digitized by Google

4 Wamnika-ke u-Biliha ikôbokazana lakê ukuba abe ngumfazi; u-Yakobi wamngena.

5 Wamita u-Biliha, wamzalela u-Yakobi unyana.

6 Watî u-Raheli, U-Tîxo undigwebele, kananjalo ulipûlapûle izwi lam, wandinika unyana; ngenxa yoko wamtîya igama elingu-Dan.[1]

7 Wabuya wamitâ u-Biliha ikôbokazana lika-Raheli, wamzalela u-Yakobi unyana wesibini.

8 Watî u-Raheli, Ndizamene nodade wetû imizamo ka-Tîxo, kananjalo ndeyisa; wamtîya igama elingu-Nafetali.[2]

9 Kekaloku wabona u-Leya ukuba unqamkile ukuzala, watâbatâ u-Zilipa ikôbokazana lakê, walinika u-Yakobi ukuba libe ngumfazi.

10 U-Zilipa ikôbokazana lika-Leya wamzalela u-Yakobi unyana.

11 Watî u-Leya, Litâmsanqa! wamtîya igama elingu-Gadi.[3]

12 U-Zilipa ikôbokazana lika-Leya wamzalela u-Yakobi unyana wesibini.

13 Watî u-Leya, Ndiv'uyolo! ngokuba intombî ziya kutî ndinoyolo; wamtîya igama elingu-Ashere.[4]

14 Waya u-Ruben ngemihla yovuno lwenqôlowa, wafumana amatûma endle, wawazisa ku-Leya unina. Wati u-Raheli ku-Leya, Kâundipe ematûmeni onyana wakô lawo.

15 Watî kuye, Yinto encinane-na ukuyitâbatâ indoda yam, ubuye utâbatê namatûma onyana wam? Watî u-Raheli, Ngako oko mayilale nawe ngobubusuku ngenxa yamatûma onyana wakô lawo.

16 Wafika u-Yakobi evela ezindle ngokuhlwa, wapûma u-Leya esiya kumkâulela, watî, Uz'undingene, kuba ndikuqeshile ngamatûma onyana wam. Walala-ke naye ngobobusuku.

17 U-Tîxo wampûlapûla u-Leya; wamitâ, wamzalela u-Yakobi unyana wesihlanu.

18 Watî u-Leya, U-Tîxo undinikile umvuzo wam, ngenxa yokuba indoda yam ndiyinike ikôbokazana lam. Wamtîya igama elingu-Isakare.[5]

19 Wabuya wamitâ u-Leya, wamzalela u-Yakobi unyana wesitândatû.

20 Watî u-Leya, U-Tîxo undipê isipô esilungileyo; okwesisihlandlo indoda yam iya kuhlala nam, kuba ndiyizalele onyana abatândatû. Wamtîya igama elingu Zebulon.[1]

21 Emveni koko wazala intombî, wayitîya igama elingu-Dina.[2]

22 Kekaloku u-Tîxo wamkûmbûla u-Raheli, u-Tîxo wampûlapûla, wasivula isizalo sakê.

23 Wamitâ, wazala unyana, watî, U-Tîxo ukususile ukungcikiwa kwam.

24 Wamtîya igama elingu-Yosefu,[3] watî, U-Yehova wongezelela omnye unyana.

25 Kwatî, xa u-Raheli ebemzele u-Yosefu, watî u-Yakobi ku-Laban, Ndindulule ndiye endaweni yakowetû, ezweni lakowetû.

26 Ndinike abafazi bam nabantwana bam, endikukônze ngenxa yabo, ndihambê; kuba wena uyayazi inkonzo yam endikukônze ngayo.

27 Watî u-Laban kuye, Ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, *hlala;* ndihlabê ukutî u-Yehova undisikelele ngenxa yakô.

28 Watî, Ndimisele kakuhle umvuzo wakô ondifaneleyo, ndikunike.

29 Watî kuye, Uyalwazi nawe uhlobo lokukukônza kwam nohlobo lokuhlala kwempahla yakô nam.

30 Kuba obunayo ndingekafiki yabimbalwa, ngoku izazekile yaninzi; u-Yehova ukusikelele apô unyawo lwam lutê lwanyatêla; kaloku ndiya kuyisebenzela ninina mna eyam indlu?

31 Watî, Ndikunike nto-nina? Watî u-Yakobi, Akuyi kundinika nento lê; ukuba utê wandenzela lendawo, ndobuya ndiyalûse impahla yakô emfutshane, ndiyigcine.

32 Ndiya kucanda pâkatî kwayo yonke impahla yakô emfutshane namhla-nje, ndihambê ndikêtâ kuyo zonke igusha ezinala nezifwexu, negusha zonke ezimnyama pâkatî kwamatâkane, nazo zonke ezifwexu nezinala pâkatî kwe-bokwe, zibe ngumvuzo wam;

33 Bundinqînele-ke ubulungisa bam ngexesha elizayo, xa utê weza kumvuzo wam opâmbî kwakô: zonke ezingenala, nezingefwexu pâkatî kwe-bokwe, nezingemnyama pâkatî kwegusha, zoba zeziblweyo ezo xa zitê zakum.

34 Wati u-Laban, Yabona, makube ngokwelizwi lakô elo.

[1] U-Gweba. [2] U-Ndizamile. [3] U-Tâmsanqa. [4] U-Yolo. [5] Um-Vuzo.

[1] U-Ntlalo. [2] U-Gweba. [3] U-Songezo.

Digitized by

35 Wazikêtâ ngalomhla inkunzi ze-bokwe ezinemizila neziŕwexu, nazo zonke imazi ze-bokwe ezinakazi neziŕwexukazi, zonke ezinobuhlope, nazo zonke ezimnyama pâkatî kwamatâkane, wazinikela esandleni sonyana bakê;

36 Wamisa uhambô lwemini ezintâtû pâkatî kwabo no-Yakobi; u-Yakobi walûsa eseleyo-ke impahl' emfutshane ka-Laban.

37 Kekaloku u-Yakobi watâbatâ intonga zom-populari omhlope, ezimanzi, nezomamangile, nezom-platane, wacûba indawo ezimhlope kuzo, exwebula buvele ubuhlope obusentongeni-ezo.

38 Wazimisa intonga abezicûbile emijelweni, emikûmbini yamanzi, apô impahl' emfutshane ibiza kusela kôna, pâmbî kwempahl' emfutshane, ukuba ipâtâne xa iza kusela.

39 Yapâtâna-ke impahl' emfutshane pâmbî kwentonga ezo, yazala impahl' emfutshane enemizila neŕwexu nenala.

40 Wawahlula u-Yakobi amatâkanelawo, wabukângelisa ubuso bempahl' emfutshane malunga nenemizila, nemnyama yonke empahlen' emfutshane ka-Laban; wayibeka yodwa eyakê imihlambî, akayibeka empahlen' emfutshane ka-Laban.

41 Kwatî, xa ipâtânayo eyomeleleyo empahlen' emfutshane, u-Yakobi wazibeka intonga pâmbî kwempahl' emfutshane, emijelweni, ukuze ipâtâne pâkatî kwentonga.

42 Xá itŷafileyo impahl' emfutshane, akazibekanga, yatî-ke etŷafileyo yaba yeka-Laban, eyomeleleyo yaba yeka-Yakobi.

43 Yanda indoda-leyo kakûlu kunene, yaba nempahl' emfutshane eninzi, namakôbokazana, namakôboka, nen-kamela, nama-esile.

31 Kekaloku waweva amazwi onyana baka-Laban, besiti, U-Yakobi uzitâbatîle zonke izinto abe nazo ubawo, ubenze ngezinto zikabawo obubunzima bakê bonke.

2 Wabubona u-Yakobi ubuso buka-Laban, nabo, bunge njengezolo nezol' elinye kuye.

3 U-Yehova watî ku-Yakobi, Buyela ezweni loyihlo, kwelokuzalwa kwakô, ndoba nawe.

4 U-Yakobi watûmela, wabiza u-Raheli no-Leya, ukuba beze endle empahleni yakê emfutshane.

5 Watî kubo, Ndiyabubona ubuso boyihlo, ukuba abunjengezolo nezol' elinye kum; ke u-Tîxo kabawo ube nam.

6 Niyazi nina, ukuba uyihlo ndimkônze ngamandla am onke;

7 Ke uyihlo undidepîsele, wawuguqula umvuzo wam kalishumi; kodwa u-Tîxo akamvumelanga ukuba andenze into embî.

8 Xa atê, Enala yoba ngumvuzo wakô, isuke yonke impahla emfutshane yazala enala; xa atê, Enemizila yoba ngumvuzo wakô, isuke yonke impahla emfutshane yazala enemizila.

9 Wayihluta u-Tîxo imfuyo kayihlo, yandinika.

10 Kwatî, ngexesha lokupâtâna kwempahl' emfutshane ndawapâkamisa amehlo am, ndabona epûpêni, nanzo, inkunzi ezikŵelayo empahlen' emfutshane zinemizila, zinala, zinomcôkose.

11 Satî isitûnywa sika-Tîxo kum epûpêni, Yakobi; ndati, Ndikô.

12 Satî, Kâupâkamise amehlo akô, ubone, zonke inkunzi ezikŵelayo empahlen' emfutshane, zinemizila, zinala, zinomcôkose; kuba ndizibonile zonke izinto azenzayo u-Laban kuwe.

13 Ndingu-Tîxo wase-Beteli, apo wasitâmbîsa kôna isimiso, apô wabâmbâtîsa ngesibâmbâtîso kum. Suka ngoko, upûme kwelilizwe, ubuyele ezweni lokuzalwa kwakô.

14 Bapêndula u-Raheli no-Leya, batî kuye, Sisenasabelo nalifa linina endlwini kabawo?

15 Akutîwa singabasemzini kuye yinina? Kuba utêngise ngatî, wamana eyidla nemali yetû;

16 Ngokokuze bonke ubutyebi abuhlutileyo u-Tîxo kubawo, bube bobetû nobonyana betû; kaloku-ke konke akutêtileyo u-Tîxo kuwe kwenze.

17 Wesuka u-Yakobi, wabakŵelisa onyana bakê nabafazi bakê ezin-kameleni.

18 Waqûba yonke impahla yakê, nayo yonke ingqwebo yakê abeyiqwebile, impahla abeyifuyile, abeyiqwebile e-Padanaram, ukuze aye ku-Isake uyise ezweni lakwa-Kanan.

19 U-Laban ubeye kucêba impahla yakê emfutshane; u-Raheli wayibâ imilondekâva ebiyekayise.

20 U-Yakobi wamlalanisa u-Laban um-

Digitized by Google

Aram, ekubeni engamxelelanga ukuba u-yabaleka.

21 Wabaleka-ke, yena nako konke abe nako; wesuka, wawuwela u-Mlambô, wabubêkisa ubuso bakê entabeni yase-Giliyadi.

22 Waxelelwa u-Laban ngomhla wesitâtû ukuba u-Yakobi ubalekile.

23 Watâbatâ abazalwana bakê, wampûtûma uhambô lwemihla esixênxe; bafumanana entabeni yase-Giliyadi.

24 Weza u-Tixo ku-Laban um-Aram epûpéni ebusuku, watî kuye, Zilumkele, ungatêtî nto ku-Yakobi nokuba yelungileyo nokuba yembî.

25 U-Laban wafika ku-Yakobi. Kekaloku u-Yakobi ubeyigxumekile in-tente yakê entabeni; u-Laban nabazalwana bakê bagxumeka entabeni yase-Giliyadi.

26 Watî u-Laban ku-Yakobi, Wenza ntonina ukundilalanisa, uziqûbe intombî zam njengabatînjwe ngetele?

27 Yinina ukuba uzimele, ubaleke, undilalanise, ungandixeleli? Ngendiba ndikundulule ngemivuyo, nangengoma, nangengqongqo, nangohadi.

28 Yinina ukuba ungandivumeli ndibange onyana bam nentombî zam? kaloku wenze ngobudenge.

29 Kusemandleni esandla sam ukunenza ububi; ke u-Tixo kayihlo utêtê nam pêzolo, esitî, Zilumkele, ungatêtî nto no-Yakobi nokuba yelungileyo nokuba yembî.

30 Ngoku umkileyo-nje, ngokuba walangazelela kakûlu indlu kayihlo, uzibèlenina zona izitixo zam?

31 Wapêndula u-Yakobi, watî ku-Laban, Bendisoyika kuba bendisitî, Hleze uzixâkamfule kum intombî zakô.

32 Osukuba uzifumana kuye izitixo zakô, makangadli bomi. Pâmbî kwabazalwana betû fanisa into yakô enam, uyitâbatê. Wayengazi u-Yakobi ukuba u-Raheli uzibile.

33 Wangena u-Laban en-tenteni ka-Yakobi, nasen-teteni ka-Leya, nasen-tenteni yempelesi zombîni; akazifumana. Wapûma en-tenteni ka-Leya, wangena en-tenteni ka-Raheli.

34 Kekaloku u-Raheli ebeyitâbatîle imilonde-kâya, wayifaka pâkatî kwe-sali yenkamela, wahlala pêzu kwayo. U-Laban wayipûtâpûta yonke in-tente, akayifumana.

35 Watî kuyise, Maungabi namsindo, nkosi yam, kuba ndingenakô ukusuka pâmbî kwakô, ngokuba ndihleli pêzu kwencâ. Wagqutagquta, akayifumana imilonde-kâya.

36 Wavutâ umsindo ka-Yakobi, wabambâna no-Laban. Wapêndula u-Yakobi, watî ku-Laban, Luyinto-nina uŕeqo lwam, siyintoni-na isono sam, ukuba undisukele ngokushushu-nje?

37 Uzipûtâpûtile zonke impahla zam, ufumene nto-nina yazo zonke impahla zendlu yakô? Yibeke apâ pâmbî kwabazalwana bam nabazalwana bakô, bahlule pâkatî kwetû sobabini.

38 Leminyaka imashumi mabini bendinawe; imazi zakô zegusha nemazi ze-bokwe azipûnzanga, nenkunzi zempahla yakô emfutshane andizidlanga.

39 Into eqwengiweyo andiyizisanga kuwe, ndayimisela ngokwam; wayibiza esandleni sam nokuba iblwe emini, nokuba ibiwe ebusuku.

40 Emini ndadliwa bushushu, ebusuku yingqele; ubutôngo bam bemka emehlweni am.

41 Kwaba-njalo kum leminyaka imashumi mabini endlwini yakô; ndakukônza iminyaka elishumi elinamine ngenxa yentombî zakô zombîni, iminyaka emitândatû ngenxa yempahla yakô emfutshane; uwuguqule kalishumi umvuzo wam.

42 Koko u-Tixo kabawo, u-Tixo ka-Abraham, Ohlonelwa ngu-Isake, waba nam, inene unge undindulule ndilambâtâ ngoku. U-Tixo uzibonile intsizi zam nokuxelenga kwezandla zam, wakohlwaya pêzolo.

43 U-Laban wapêndula watî ku-Yakobi, Intombî zintombî zam, onyana ngonyana bam, impahl' emfutshane yimpahla yam, nento zonke ozibonayo zezam, ndinakwenza nto-nina namhla ezintombîni zam-ezi, nakonyana bazo ezibazeleyo?

44 Yiza ngoku, senze umnqopîso, mna nawe, ube linqîna pâkatî kwam nawe.

45 U-Yakobi watâbatâ ilitye, walipâkamisa lasimiso.

46 Watî u-Yakobi kubazalwana bakê, Côlani amatye. Batâbatâ amatye, benza imfumbâ, badla kôna pêzu kwalomfumbâ.

47 Watî ukuyibiza u-Laban yi-Yegar-sahaduta, u-Yakobi watî ukuyibiza yi-Galedi.[1]

48 Watî u-Laban, Lemfumbâ ilinqîna

[1] Imfumbâ elinqîna.

Digitized by Google

pâkatî kwam nawe namhla, ngenxa yoko yatîywa igama eliyi-Galedi;

49 Neliyi-Mitspa,[1] ngokuba watî, Makabonisele u-Yehova pâkatî kwam nawe, ngokuba siya kusitêlana;

50 Ukuba utê wazicinezela intombî zam, nokuba utê wazeka abafazi pêzu kwentombî zam, akukô bani unatî; kângela, u-Tîxo ulinqîna pâkatî kwam nawe.

51 U-Laban watî ku-Yakobi, Yabona lemfumbâ, yabona esisimiso ndisipâkamisileyo pâkatî kwam nawe;

52 Inqîna yilemfumbâ, inqîna sesisimiso, ukuba andikugqita mna kulemfumbâ ndiye kuwe, ukuba akuyi kugqita wena kulemfumbâ nakwesisimiso uze kum, senzane ububi.

53 U-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Nahore, u-Tîxo woyise wabo makagwebe pâkatî kwetû. U-Yakobi wafunga Ohlonelwa nguyise u-Isake.

54 U-Yakobi wabingelela umbingelelo entabeni apô, wabiza abazalwana bakê, ukuba badle isonka. Badla-ke isonka, balala entabeni apô.

55 Wavuka u-Laban kusasa, wabanga onyana bakê nentombi zakê, wabasikelela; wemka-ke u-Laban, wabuyela ekâya lakê.

32 U-Yakobi wahambâ ngendlela yakê; zaqubisana naye izitûnywa zika-Tîxo.

2 Watî u-Yakobi, akuzibona, Ngumkôsi ka-Tîxo lo, watî igama lalondawo yi-Mahanayim.[2]

3 Kekaloku u-Yakobi watûma abatûnywa pâmbî kwakê, baya ku-Esau umkûluwe wakê, ezweni lakwa-Sehire, emhlabeni wakwa-Edom.

4 Wabawisela umtêtô esitî, Notî ukutêtâ enkosini yam u-Esau, Utsho umkônzi wakô u-Yakobi ukutî, Bendingumpâmbûkeli ku-Laban, ndalibala kôna kwada kwangoku;

5 Ndinenkomo, nama-esile, nempahl' emfutshane, namakôboka, namakôbokazana; nditûmele ukuxelela inkosi yam, ukuze indibabale.

6 Abatûnywa babuyela ku-Yakobi, besitî, Sifikile kumkûluwe wakô u-Esau, naye uyeza kukukâulela, enamadoda angamakûlu omane.

7 Woyika kunene u-Yakobi, wabandezeleka, wabahlula abantu ababe naye, nempahl' emfutshane, nenkomo, nen-kamela; imfuduka zambîni,

8 Watî, Ukuba u-Esau utê wafika kwenye imfuduka, wayicîtâ, Yosinda imfuduka eseleyo.

9 Watî u-Yakobi, Tîxo kabawo u-Abraham, Tîxo kabawo u-Isake, Yehova, utê kum, Buyela ezweni lakowenu, kwelokuzalwa kwakô, ndokupâtâ kakuhle;

10 Andiyilingene inceba yonke nenyaniso yonke oyenzileyo kumkônzi wakô; kuba ndayiwela le-Yordan, ndinentonga yam yodwa, kodwa ngoku ndimfuduka mbîni.

11 Kâundihlangule esandleni somkûluwe wam, esandleni sika-Esau; ngokuba ndiyamoyika, hleze afike andibulale, unina ndawonye nabantwana.

12 Wautê wena, Inene, ndiya kukupâtâ kakuhle, imbêwu yakô ndiyenze ibe njengentlabati yolwandle, engenakubalwa ngenxa yobuninzi.

13 Kekaloku yena walala kôna ngobobusuku, watâbatâ entweni esifike kuyo isandla sakê, yangumnikelo ku-Esau umkûluwe wakê;

14 Imazi ze-bôkwe ezimakûlu mabini, nenkunzi ze-bôkwe ezimashumi mabini, nemazi zegusha ezimakûlu mabini, nenkunzi zegusha ezimashumi mabini,

15 Nen-kamela ezisengwayo ezimashumi matâtû ezinamatôle azo, nemazi zenkomo ezimashumi mane, nenkunzi zenkomo ezilishumi; nemazi zama-esile ezimashumi mabini namaxamxwa alishumi.

16 Wazinikela esandleni sabakônzi bakê walowo umhlambî wawodwa, watî kubakônzi bakê, Welani pâmbî kwam, nibeke isitûba pâkatî komhlambî nomhlambî.

17 Owokuqala wamwisela umtêtô, watî, Xa atê u-Esau umkûluwe wam waqubisana nawe, wakubuza ngokutî, Ungokabanina? uya pîna? zezikabanina ezinto zipâmbî kwakô?

18 Wotî, Zezomkônzi wakô u-Yakobi; ngumnikelo otûnyelwe inkosi yam u-Esau; nanku-ke naye ngasemva kwetû.

19 Nowesibini nowesitâtû wamwisela umtêtô, nabo bonke abebeyilandela imihlambî, esitî, Notêtâ ngololhlobo ku-Esau, nakufumanana naye.

20 Kananjalo notî, Nanko umkônzi wakô u-Yakobi engasemva kwetû. Kuba watî, Mandibucamagushe ubuso bakê ngo-

[1] Imbóniselo. [2] Imikósi emibini.

Digitized by Google

mnikelo ohambå pâmbî kwam, emveni koko ndibubone ubuso bakê; mhlaumbi wondibuka.

21 Umnikelo lowo wahamba pâmbî kwakê; ke yena walala ngobobusuku emfudukeni.

22 Wavuka ngobobusuku, watâbatâ abafazi bakê bobabini, namakôbokazana akê omabini, nonyana bakê abalishumi elinamnye, waliwela izibuko le-Yaboki.

23 Wabatâbatâ-ke, wabaweza emfuleni lowo, waziweza zonke izinto abe nazo.

24 U-Yakobi wasala yedwa; kwazamana indoda naye kwada kwatî-qip' ukusa.

25 Yakubon' ukuba ayimeyisi, yacûkumisa usirobana womlenze wakê, wancotûka usirobana womlenze ka-Yakobi ngokuzamana nayo.

26 Yatî, Ndindulule ndihambê, kuba kuyasa. Watî yena, Andikukundulula umke, ukuba akutânga undisikelele.

27 Yatî kuye, Ngubanina igama lakô? Watî Ndingu-Yakobi.

28 Yatî, Igama lako akusakuba satîwa ngu-Yakobi, kuya kutîwa ngu-Sirayeli,[1] ngokuba ulwe no-Tîxo nabantu, weyisa.

29 Wabuza u-Yakobi, watî, Ndixelele igama lakô. Yatî, Ulibuzela-nina igama lam? Yamsikelela kôna.

30 U-Yakobi wayitîya londawo igama eliyi-Peniyeli,[2] kuba wati, Ndibonene no-Tîxo, wahlangulwa umpêfumlo wam.

31 Lati câpa ilanga, akudlula e-Penuweli, ejingxela ngomlenze wakê.

32 Ngenxa yoko onyana baka-Sirayeli abawudli umsipâ kasirobana opêzu kosirobana womlenze nanamhla; ngokuba yacûkumisa usirobana womlenze ka-Yakobi emsipêni kasirobana.

33 Wawapâkamisa u-Yakobi amehlo akê, wabona, nanko u-Esau esiza, enamadoda amakûlu mane. Abantwana wabahlulahlula baba ku-Leya, naku-Raheli, nakumakôbokazana omabini.

2 Wawabeka amakôbokazana nabantwana bawo pâmbîli, u-Leya nabantwana bake emva kwawo, u-Raheli no-Yosefu emva kanye.

3 Ke yena wagqitela pâmbî kwabo, waqubuda emhlabeni kasixénxe, wada wasondela kumkûluwe wakê.

4 Wagidima u-Esau emkâulela, wamwo-

[1] Ulwa-no-Tîxo. [2] Ubuso-buka-Tîxo.

la, wawa entanyeni yakê, wamanga, basitsho isililo.

5 Wawapâkamisa amehlo akê, wababona abafazi nabantwana, watî, Ngobanina aba banawe? Watî yena, Ngabantwana, atê u-Tîxo wababahala umkônzi wakô.

6 Asondela amakôbokazana, wona nabantwana bawo baqubuda.

7 Wasondela no-Leya nabantwana bakê, baqubuda; emveni koko wasondela u-Yosefu no-Raheli, baqubuda.

8 Watî, Iyinto-nina yonke lemfuduka yakô endiqubisene nayo? Watî Yeyokuba ndibabalwe emehlweni enkosi yam.

9 Wati u-Esau, Ndanele, mninawa; makube kokwakô okwakô.

10 Watî u-Yakobi, Hayi makungabinjalo, ukuba kaloku ndibabalwe emehlweni akô, tâbatâ umnikelo wam-lo esandlenisam; kuba ngenxa yoko ndibubonile ubuso bakô, ndanga ndibona ubuso buka-Tîxo, ndalikôlo kuwe.

11 Kâuyitâbatê intsikelelo yam ezisiweyo kuwe, ngokuba u-Tîxo undibabale, kuba ndinento zonke. Wamjoka, wayitâbata.

12 Watî, Masinduluke sihambê, ndohambâ pâmbî kwakô.

13 Watî kuye, Inkosi yam iyazi, ukuba abantwana batâmbîle, nempahl' emfutshane nenkomo ezanyisayo zipêzu kwam; yotî iqûtywe kakûlu imini enye, ife yonke impahl' emfutshane.

14 Inkosi yam mayikô igqitele pâmbî komkônzi wayo, ndihambîse kuhle ngokuhambâ kwempahla epâmbî kwam, nangokuhambâ kwabantwana, ndide ndifike enkosini yam kwa-Sehire.

15 Watî u-Esau, Makê ndiyishiye kuwe inxenye yabantu abanam. Watî yena, Nganina? mandibabalwe emehlweni enkosi yam.

16 Wabuya ngalomhla u-Esau ngendlela yakê esiya kwa-Sehire.

17 U-Yakobi, wanduluka, waya e-Sukoti, wazakêla indlu, inkomo zakê wazibiyela intlanti; ngenxa yoko kwatîwa igama lalondawo yi-Sukoti.[1]

18 Wafika u-Yakobi enoxolo emzini ka-Shekem, osezweni lakwa-Kanan, ekuveleni kwakê e-Padan-aram; wamisa in-tente pâmbî komzi.

19 Watênga isiziba somhlaba, apô wayi-

[1] Intlanti.

Digitized by Google

twabulula kôna in-tente yakê, esandleni sonyana baka-Hamore uso-Shekem, ngekûlu lemali.

20 Wamisa kôna isibingelelo, watî ukusitîya ngu-Tîxo u-Tîxo ka-Sirayeli.

34 Kekaloku u-Dina intombî ka-Leya leyo wayizalela u-Yakobi, wapûma waya kubona intombî zelozwe.

2 U-Shekem unyana ka-Hamore um-Hivi, isikûlu selizwe, sambona, samtâbatâ, salala naye, samona.

3 Umpêfumlo wakê wanamatêla ku-Dina intombî ka-Yakobi; wayitânda intombî-leyo, watêtâ kakuhle nentombî.

4 U-Shekem watêtâ ku-Hamore uyise watî, Ndizekele lentombî ibe ngumfazi.

5 Weva u-Yakobi ukuba umenze inqambî u-Dina intombî yakê; ke onyana bakê bebe sempahleni yakê endle; watî-tuke u-Yakobi, bada bafika.

6 Wapûma u-Hamore uyise ka-Shekem, eza kutêtâ no-Yakobi.

7 Bafika onyana baka-Yakobi bevela kwalûsa; bakuyiva lento aba buhlungu amadoda lawo, avutâ kunene ngumsindo, ngokuba wenza ubudenge kwa-Sirayeli ngokulala nentombî ka-Yakobi, into-leyo engeya kwenziwa.

8 Watêtâ u-Hamore nabo, esitî, U-Shekem unyana wam umpêfumlo wakê utêne-nca nentombî yakowenu, kânimnike ibe ngumkakê;

9 Nendiselane natî, nisinike intombî zenu, nizeke intombî zetû;

10 Nihlale natî, ilizwe libe pâmbî kwenu; hlalani nirwebe kulo, niqiniseke ukuma kulo.

11 Watî u-Shekem kuyise wayo nakubanakwayo, Mandibabalwe emehlweni enu, nento eniyitetâyo kum ndoninika.

12 Yandisani kunene ikâzi pêzu kwam nesipô, ndoninika njengoko nitêtâyo kum; ndinikeni-ke intombî-leyo ibe ngumfazi.

13 Onyana baka-Yakobi babapêndula o-Shekem no-Hamore uyise ngenkohliso, bababêdengela, ngokuba ebemenze inqambî u-Dina udade wabo;

14 Batî kubo, Asinakuyenza lento yokuba udade wetû simnike indoda engalukanga; kuba lonto ibingaba singcikivo kutî.

15 Sovumelana nani ngalendawo yodwa, ukuba nitê naba njengatî, ngokutî yaluke kuni yonke into eyindoda;

16 Soninika-ke intombî zetû, sizeke intombî zenu, sihlale nani, sibe bantu banye.

17 Ukuba nitê anasipûlapûla ngokutî naluke, soyitâbatâ intombî yetu, simke.

18 Alunga amazwi abo emehlweni ka-Hamore nasemehlweni ka-Shekem unyana ka-Hamore.

19 Akalibala umfana ukuyenza lonto, kuba ubetâbatêkile yintombi ka-Yakobi; ubezukile yena ngapêzu kwayo yonke indlu kayise.

20 Weza u-Hamore no-Shekem unyana wakê esangweni lomzi wabo, batêtâ kumadoda omzi, batî,

21 Lamadoda ayavana nati; makahlale ezweni apâ, afwebe kulo; ilizwe-eli, yabonani, libanzi ngenxa zombîni pâmbî kwawo; sozizeka intombî zawo zibe ngabafazi, siwanike intombî zetû.

22 Ke ovumelana natî ngalendawo yodwa amadoda lawo ukuhlala natî, sibe bantu banye, yakwaluka kutî yonke into eyindoda, njengokuba alukile wona.

23 Imfuyo yawo, nengqwebo yawo, nawo onke amaqegu awo akasokuba ngawetû-na? sakutî kodwa sivumelane nawo, ukuba ahlale natî.

24 Bampûlapûla-ke u-Hamore no-Shekem unyana wakê, bonke abapûma ngesango lomzi wabo; yalûswa yonke into eyindoda, bonke abapûma ngesango lomzi wabo.

25 Kwatî ngomhla wesitâtû, bakuba buhlungu, besuka onyana ababini baka-Yakobi, u-Simon no-Levi, abanakwabo bo-Dina, batâbatâ walowo irele lakê, bawufikela lomzi ungakûmbûlele nto, babulala yonke into eyindoda.

26 Babulala no-Hamore no-Shekem unyana wakê ngohlangotî lwerele, bamtâbatâ u-Dina endlwini ka-Shekem, bapûma.

27 Onyana baka-Yakobi babafikela ababuleweyo, bawupânga umzi, ngokuba bebemenze inqambî udade wabo.

28 Impahla yabo emfutshane, nenkomo zabo, nama-esile abo, nento zonke ebezipâkatî komzi nebezisendle bazitâbatâ;

29 Nobutyebi babo bonke, nabantwana babo bonke, nabafazi babo, babatîmbâ, bapânga nento zonke ebezisendlwini.

30 U-Yakobi watî ku-Simon naku-Levi, Nindihlisele ishwangusha, ukuze ndinuke pâkatî kwabemi belizwe eli, pâkatî kwa-

Digitized by Google

ma-Kanan, napâkatî kwama-Perizi; ndibantu bambalwa-nje mna, baya kundihlanganyela, bandibulale, nditshatyalaliswe mna nendlu yam.

31 Batî bona, Udade wetû angapâtwa njengehenyukazi yinina?

35 Kekaloku watî u-Tîxo ku-Yakobi, Suka uye e-Beteli, uhlale kôna, wenze kôna isibingelelo ku-Tîxo, owabonakalayo kuwe ekubalekeni kwakô ebusweni buka-Esau umkûluwe wakô.

2 Watî-ke u-Yakobi kwindlu yakê nakubo bonke ababe naye, Susani izitîxo zasemzini ezipâkatî kwenu, nina nizihlambûlule, ninxibe ngubo zimbî;

3 Sisuke, sinyuke siye e-Beteli, senze kona isibingelelo ku-Tîxo, owandipêndula ngomhla wokubandezeleka kwam, obe nam endleleni endandihambâ ngayo.

4 Bazinika u-Yakobi zonke izitîxo zasemzini ebezisesandleni sabo, namajikazi abe sezindlebeni zabo; u-Yakobi wazimbêla pântsi kom-oki obungakwa-Shekem.

5 Banduluka; uqîpulo-mbîlini luka-Tîxo lwaba pêzu kwemizi ngenxa zonke kubo, ayabasukela onyana baka-Yakobi.

6 Wafika u-Yakobi e-Luzi, esezweni lakwa-Kanan, ekwayi-Beteli, yena nabo bonke abantu ababe naye.

7 Wakâ kôna isibingelelo, watî londawo ukuyibiza ngu-Tîxo wase-Beteli; kuba kulapô u-Tîxo wazityilayo kuye ekubalekeni kwakê ebusweni bomkûluwe wakê.

8 Wafa u-Debora, umanyisikazi ka-Rebeka, wancwatywa ngasezantsi kwe-Beteli pântsi kom-oki; kwatîwa igama layo ngum-Oki wokulila.

9 U-Tîxo wabuya wabonakala ku-Yakobi ekuveleni kwakê e-Padan-aram, wamsikelela.

10 Watî u-Tîxo kuye, Igama lakô ngu-Yakobi, akuyi kuba satîwa igama lakô ngu-Yakobi, kuya kutîwa igama lakô ngu-Sirayeli; wamtîya-ke igama elingu-Sirayeli.

11 Watî u-Tîxo kuye, Ndingu-Tîxo u-Somandla, qâma, wande; uhlanga nesikûngu sentlanga siya kuvela kuwe, nokumkani bapûme esinqeni sakô;

12 Ilizwe endalinika u-Abraham no-Isake ndilinike wena, ndilinike imbéwu yakô emva kwakô ilizwe-elo.

13 Wenyuka u-Tîxo, wemka kuye kulondawo abetêtê naye kuyo.

14 U-Yakobi wamisa isimiso kulondawo abetêtê naye kuyo, isimiso samatye, watûlula pêzu kwaso umnikelo otûlulwayo, wagalela ne-oli pêzu kwaso.

15 U-Yakobi watî igama lalondawo u-Tîxo abetêtê naye kuyo, yi-Beteli.

16 Banduluka e-Beteli. Kwatî, kuse mganyana ukuba kufikwe e-Efrata, wazala u-Raheli, kwaba nzima ukuzala kwakê.

17 Kwatî, kwakuba nzima ukuzala kwakê, watî umzalisikazi kuye, Mus' ukoyika, kuba naló ngunyana wakô.

18 Kwatî ekupûmeni kompêfumlo wakê, kuba wafayo, watî ngu-Benoni [1] igama lakê; ke yena uyise watî ngu-Benyamin.[2]

19 Wafa-ke u-Raheli, wancwatywa endleleni yase-Efrata eyi-Betelehem.

20 U-Yakobi wamisa isimiso pêzu kwencwaba lakê; sisimiso sencwaba lika-Raheli nanamhla.

21 U-Sirayeli wayincotûla in-tente yakê, waya wayitwabulula, ngapâya kwe-Migdoli-edere.

22 Kwatî, ekuhlaleni kuka-Sirayeli kwelozwe, waya u-Ruben, wamlala u-Biliha ishweshwe likayise; weva-ke u-Sirayeli.

Onyana baka-Yakobi bebe lishumi elinababini.

23 Onyana baka-Leya ngu-Ruben, owamazibulo ku-Yakobi, no-Simon, no-Levi, no-Yuda, no-Isakare, no-Zebulon.

24 Onyana baka-Raheli ngu-Yosefu no-Benyamin.

25 Onyana baka-Biliha, ikôbokazana lika-Raheli, ngu-Dan, no-Nafetali.

26 Onyana baka-Zilipa, îkobôkazana lika-Leya, ngu-Gadi no-Ashere. Ngabo abo onyana baka-Yakobi awabazalelwa e-Padan-aram.

27 U-Yakobi waya ku-Isake uyise kwa-Mamre e-Kiriyati ka-Arba, e-Hebron, apô babe ngabapâmbûkeli kôna u-Abraham no-Isake.

28 Imihla ka-Isake yaba yiminyaka elikûlu elinamanci asibôzo.

29 U-Isake wapûma umpêfumlo, wafa, wahlanganiselwa kwabakowabo alupêle, epêlele ebudaleni; bamncwaba o-Esau no-Yakobi onyana bakê.

[1] U-Nyana wentsizi zam. [2] U-Nyana wenywêba.

Digitized by Google

36 Yiyo le-ke inzala ka-Esau, ongu-Edom.
2 U-Esau wabazeka abafazi bakê ezintombini zakwa-Kanan, u-Ada intombî ka-Elon um-Heti, no-Aholibama intombî ka-Ana, intombî ka-Tsibeyon um-Hivi,
3 Wazeka no-Basemati intombi ka-Ishmayeli, udade bo-Nebayoti.
4 U-Ada wamzalela u-Esau u-Elifazi; u-Basemati wazala u-Rehuweli.
5 U-Aholibama wazala u-Yehushe, no-Yalam, no-Kora. Ngabo abo onyana baka-Esau, awabazalelwayo ezweni lakwa-Kanan.
6 U-Esau wabatâbatâ abafazi bakê, nonyana bakê, nentombî zakê, nabendlu yakê yonke, nemfuyo yakê, namaqegu akê onke, nengqwebo yakê yonke abeyiqwebile ezweni lakwa-Kanan, waya kwelinye ilizwe, emka ngenxa ka-Yakobi umninawe wakê.
7 Kuba ingqwebo yabo ibininzi, ukuze bangabi nakuhlala ndawonye, nelizwe lokupâmbûkela kwabo belinge nakubatwala ngenxa yemfuyo yabo.
8 Wahlala u-Esau entabeni yakwa-Sehire. U-Esau ke-lowo ngu-Edom.
9 Yiyo le-ke inzala ka-Esau, uyise wama-Edom, entabeni yakwa-Sehire.
10 Ngawo la-ke amagama onyana baka-Esau: ngu-Elifazi unyana ka-Ada, umka-Esau; ngu-Rehuweli unyana ka-Basemati, umka-Esau.
11 Onyana baka-Elifazi ngu-Teman, no-Omare, no-Tsefo, no-Gatam, no-Kenazi.
12 U-Timna ebe lishweshwe lika-Elifazi unyana ka-Esau, wamzalela u-Elifazi u-Amaleki;
13 Ngabo abo onyana baka-Ada umka-Esau. Ngabo aba onyana baka-Rehuweli: u-Nahati, no-Zera, no-Shama, no-Miza. Ngabo abo onyana baka-Basemati umka-Esau.
14 Ngabo aba onyana baka-Aholibama intombî ka-Ana, intombî ka-Tsibeyon, umka-Esau; wamzalela u-Esau u-Yehushe, no-Yalam, no-Kora.
15 Zizo ezi izikûlu zonyana baka-Esau. Onyana baka-Elifazi, owamazibulo ku-Esau: sisikûlu esingu-Teman, isikûlu esingu-Omare, isikûlu esingu-Tsefo, isikûlu esingu-Kenazi,
16 Isikûlu esingu-Kora, isikûlu esingu-Gatam, isikûlu esingu-Amaleki; zizo ezo izikûlu zakwa-Elifazi ezweni lakwa-Edom, ngabo abo onyana baka-Ada.
17 Ngabo aba onyana baka-Rehuweli unyana ka-Esau: sisikûlu esingu-Nahati, isikûlu esingu-Zera, isikûlu esingu-Shama, isikûlu esingu-Miza; zizo ezo izikûlu zakwa-Rehuweli ezweni lakwa-Edom; ngabo abo onyana baka-Basemati umka-Esau.
18 Ngabo aba onyana baka-Aholibama umka-Esau: sisikûlu esingu-Yehushe, isikûlu esingu-Yalam, isikûlu esingu-Kora; zizo ezo izikûlu zakwa-Aholibama intombî ka-Ana, umka-Esau.
19 Ngabo abo onyana baka-Esau, zizo ezo izikûlu; ngu-Edom ke-lowo.
20 Ngabo aba onyana baka-Sehire um-Hori, abebemi kwelozwe: u-Lotan, no-Shobali, no-Tsibeyon, no-Ana,
21 No-Dishon, no-Etsere, no-Dishan; zizo ezo izikûlu zama-Hori, onyana baka-Sehire, ezweni lakwa-Edom.
22 Onyana baka-Lotan babe ngama-Hori no-Hemam, udade bo-Lotan ngu-Timna.
23 Ngabo aba onyana baka-Shobali, ngu-Alevan, no-Manahati, no-Ebali, no-Shefo, no-Onam.
24 Ngabo aba onyana baka-Tsibeyon: ngu-Aya no-Ana. Ngulo-Ana wayifumanayo imitômbô eshushu entlango, esalûsa ama-esile ka-Tsibeyon uyise.
25 Ngabo aba onyana baka-Ana: ngu-Dishon; u-Aholibama waye yintombî ka-Ana.
26 Ngabo aba onyana baka-Dishon: ngu-Hemdan, no-Eshban, no-Itran, no-Keran.
27 Ngabo aba onyana baka-Etsere: ngu-Bilan, no-Zavan, no-Akan.
28 Ngabo aba onyana baka-Dishan: ngu-Utsi no-Aran.
29 Zizo ezi izikûlu zama-Hori: isikûlu esingu-Lotan, isikûlu esingu-Shobali, isikûlu esingu-Tsibeyon, isikûlu esingu-Ana,
30 Isikûlu esingu-Dishon, isikûlu esingu-Etsere, isikûlu esingu-Dishan, zizo ezo izikûlu zama-Hori, ngokwezikûlu zabo ezweni lakwa-Sehire.

31 Ngabo aba okumkani ababelaula ezweni lakwa-Edom, kungekabikô kumkani unobukumkani kubo onyana baka-Sirayeli.
32 U-Bela unyana ka-Behore walaula

Digitized by Google

kwa-Edom, igama lomzi wakê yi-Dinaba.

33 Wafa u-Bela, watî u-Yobabi, unyana ka-Zera wase-Botsera, walaula esikûndleni sakê.

34 Wafa u-Yobabi, watî u-Husham wasezweni lama-Teman walaula esikûndleni sakê.

35 Wafa u-Husham, watî u-Hadadi unyana ka-Bedadi, owawatshabalalisayo ama-Midiyan emhlabeni wama-Mowabi, walaula esikûndleni sakê; igama lomzi wakê yi-Aviti.

36 Wafa u-Hadadi, watî u-Samla wase-Masereka walaula esikûndleni sakê.

37 Wafa u-Samla, watî u-Saule wase-Rehoboti yom-Lambô walaula esikûndleni sakê.

38 Wafa u-Saule, watî u-Bahali-hanan unyana ka-Akebore walaula esikûndleni sakê.

39 Wafa u-Bahali-hanan unyana ka-Akebore, watî u-Hadare walaula esikûndleni sake; igama lomzi wakê yi-Pawu; igama lomkakê ngu-Mehetabeli, intombî ka-Matrede, intombî ka-Mezahabi.

40 Ngawo la amagama ezikûlu zakwa-Esau ngokwezizwe zazo, ngokwendawo zazo, ngamagama azo: isikûlu esingu-Timna, isikûlu esingu-Aleva, isikûlu esingu-Yetete,

41 Isikûlu esingu-Aholibama, isikûlu esingu-Ela, isikûlu esingu-Pinon,

42 Isikûlu esingu-Kenazi, isikûlu esingu-Teman, isikûlu esingu-Mibetsare,

43 Isikûlu esingu-Magediyeli, isikûlu esingu-Iram; zizo ezo izikûlu zakwa-Edom ngokwamakâya azo ezweni lokuma kwazo; ngu-Esau ke-lowo uyise wama-Edom.

37 Kekaloku u-Yakobi wahlala ezweni lokupâmbukela kukayise, ezweni lakwa-Kanan.

2 Yiyo le-ke inzala ka-Yakobi. U-Yosefu engominyaka ilishumi linesixênxe ezelwe, wayesalûsa impahl' emfutshane ndawonye nabakûluwa bakê; yena-ke engumfana waye nonyana baka-Biliha, nonyana baka-Zilipa, abafazi bakayise. U-Yosefu wazisa udaba lwabo olubi kuyise.

3 U-Sirayeli wayemtânda u-Yosefu ngapêzu kwabo bonke onyana bakê, ngokuba ebe ngunyana wokwalupâla kwakê; yena wamenzela-ke ingubo ende enemikônо.

4 Abakûluwa bakê babona ukuba uyise umtânda ngapêzu kwabo bonke, bamtîya, ababi nakutêtâ naye bexolile.

5 U-Yosefu wapûpâ ipûpâ, wabaxelela abakûluwa bakê; kwakukôna bamtîyayo.

6 Watî kubo, Kânilive elipûpâ ndilipûpîleyo.

7 Yabonani, besibopâ izitûngu entsimini pâkatî; saza isitûngu sam sesuka sema; zaza izitûngu zenu zasingqonga, zaqubuda kwisitûngu sam.

8 Abakûluwa bakê batî kuye, Yinene-na ukuba uya kuba ngukumkani pêzu kwetû? Yinene-na ukuba uya kusilaula? kwakukôna bamtîyayo ngenxa yamapûpâ akê, nangenxa yamazwi akê.

9 Wabuya wapûpâ elinye ipûpâ, walixela kubakûluwa bakê, watî, Yabonani, ndibuye ndapûpâ ipûpâ; ndipûpê ilanga nenyanga nenkwenkwezi ezilishumi elinanye ziqubuda kum.

10 Wakuxela kuyise, nakubakûluwa bakê, uyise wamkâlimela, watî kuye, Lipûpâ linina eli ulipûpîleyo? Mna nonyoko nabakûluwa bakô soza size kuqubuda kuwe-na emhlabeni?

11 Abakûluwa bakê bammonela, ke yena uyise waligcina elilizwi.

12 Kekaloku abakûluwa bakê baya kwalûsa impahl' emfutshane kayise kwa-Shekem.

13 U-Sirayeli watî ku-Yosefu, Abakûluwa bakô abalûsi e-Shekem-na? Yiza, ndikutûme kûbo. Watî yena kuye, Ndikô.

14 Watî kuye, Kâuye kukângela ukupîla kwabakuluwa bakô, nokupîla kwempahl' emfutshane; ubuye uze kundixelela. Wamtûma-ke, emsusa entilini yase-Hebron, waya e-Shekem.

15 Wafunyanwa ngumfo, ebâdula endle; umfo lowo wambuza, watî, Ufuna ntonina?

16 Watî, Ndifuna abakûluwa bam; kâundixelele apô balûsa kôna.

17 Watî umfo, Bandulukile apâ, kuba kêndeva besitî, Masiye e-Dotan. U-Yosefu wabalandela abakûluwa bakê, wabafumana e-Dotan.

18 Bambona-ke esekude, engekasondeli kubo, benza iyelenqe lokumbulala.

19 Bateta omnye komnye besiti, Nanko lompûpî esiza.

20 Yizani-ke ngoko, simbulale simpôse komnye wemihâdi, sitî, Udliwe lifamncwa, size sibone ukuba amapûpâ akê oba yintonina.

Digitized by Google

21 Weva u-Ruben, wamhlangula esandleni sabo; watî, Masingambulali afe.
22 Watî u-Ruben kubo, Musan' ukupâlaza gazi; mpôseni kulomhādi usentlango; musan' ukumsa sandla. Watsho, ukuze amhlangule esandleni sabo, ambuyisele kuyise.
23 Kwatî, akufika u-Yosefu kubakuluwa bakê, bamhluba u-Yosefu ingubo yakê, ingubo ende enemikôno abe nayo;
24 Bamtâbatâ, bampôsa emhādini, umhādi lowo ubuzé, kungekô manzi kuwo.
25 Bahlala pântsi, badla isonka; bapâkamisa amehlo abo, bakângela, nango umkôko wama-Ishmayeli uvela e-Giliyadi, unen-kamela zitwele intlak' emhlope, namafutâ aqôliweyo, nentlaka emnandi, besihla nazo besiya e-Yiputa.
26 U-Yuda watî kubazalwana bakê, Yinzuzo-nina ukuti simbulale umninawa wetû, sifihle igazi lakê?
27 Yizani sitêngise ngaye kuma-Ishmayeli, isandla setû masingabi pézu kwakê, ngokuba ngumzalwana wetû, yinyama yetû. Bampûlapûla abazalwana bakê.
28 Adlula ama-Midiyan-lawo angabafwebi, bamfola bamkûpâ u-Yosefu emhadini, batêngisa ngo-Yosefu kuma-Ishmayeli ngesilivere ezimashumi mabini; amsa u-Yosefu e-Yiputa.
29 Wabuyela u-Ruben emhadini, Yini! u-Yosefu akakô emhadini, waziŕazula ingubo zakê.
30 Wabuyela kubaninawa bakê, watî, Umfana akakô; mna-ke ndosuka ndiye ngapîna?
31 Bayitâbatâ ingubo ka-Yosefu, baxêla inkunzi ye-bokwe exônti, bayitî-nxu ingubo egazini.
32 Bayitúmela ingubo ende enemikono *ekaya*, bayisa kuyise batî, Siyicôle; kaufanise, ukuba yingubo yonyana wakô, asiyiyo sinina.
33 Wayifanisa, watî, Yingubo yonyana wam; udliwe lifamncwa, inene uqwengiwe u-Yosefu.
34 U-Yakobi waziŕazula ingubo zakê, wabeka eziŕwexayo esinqeni sakê, wamenzela isijwili unyana wakê imihla emininzi.
35 Besuka bonke onyana bakê, nazo zonke intombî zakê, beza kumtûtûzela; akavuma kutûtûzelwa, watî, Ndiya kuhla ndiye kunyana wam e-hadesi [1] ndisenza isijwili. Uyise wamlilela-ke.

36 Ama-Midiyan aya atêngisa ngaye e-Yiputa ku-Potifare umbusi wakwa-Faro, umtêtêli wamazemb'enkosi.

38 Kwatî ngeloxesha, wehla u-Yuda, esuka kubazalwana bakê, waya wayimisa in-tente yakê ngakwindoda yase-Adulam, egama lingu-Hira.
2 U-Yuda wabona kôna intombî yendoda engum-Kanan, egama lingu-Shuwa; wayizeka wayingena.
3 Yamitâ, yazala unyana; watî igama lakê ngu-Ere.
4 Yabuya yamitâ, yazala unyana; yatî igama lakê ngu-Onan.
5 Yabuya yapînda yamitâ, yazala unyana; yatî igama lakê ngu-Shela; waye se-Kezibi ukumzala kwakê.
6 U-Yuda wamzekela u-Ere, amazibulo akê, umfazi ogama lingu-Tamare.
7 Ke u-Ere, amazibulo ka-Yuda, ube nentlondi ezimbi emehlweni ka-Yehova; waza u-Yehova wambulala.
8 U-Yuda watî ku-Onan, Yiya kumfazi womkûluwa wakô, umngene, umvelisele imbêwu umkûluwa wakô.
9 Wayesazi u-Onan ukuba imbêwu ayi kuba yeyakê, watî, xa sukuba esiya kumfazi womkûluwe wakê, wayipâlazela emhlabeni, ukuze angamniki mbêwu umkûluwa wakê.
10 Kwaba kubi emehlweni ka-Yehova oko wakwenzayo; ngoko wambulala naye.
11 Watî u-Yuda ku-Tamare umolokazana wakê, Hlala ungumhlolokazi endlwini kayihlo, ade akûle u-Shela unyana wam, kuba watî, Hleze afe naye, njengabakûluwa bakê. Wemka u-Tamare, waya kuhlala endlwini kayise.
12 Zakuba ninzi intsuku, yafa intombî ka-Shuwa umka-Yuda. Akutûtûzeleka u-Yuda, wenyuka waya kubacébi bempahla yakê emfutshane, yena no-Hira isihlobo sakê sase-Adulam, kwa-Timna.
13 Waxelelwa u-Tamare kwatiwa, Nanko uyihlozala enyuka esiya kucêba impahla yakê emfutshane kwa-Timna.
14 Wazisusa ingubo zobuhlolokazi bakê, wazigqubutêla ngesigqubutélo, wazitî-wambû, wahlala pântsi esangweni le-Enayim, engasendleleni eya kwa-Timna; kuba ubebona ukuba ukûlile u-Shela, akasiwa noko kuye ukuba abe ngumkakê.

[1] Kwelalafileyo.

Digitized by Google

15 U-Yuda wambona, waba ulihenyukazi, kuba ebegqubutêle ubuso.

16 Wati-gubucala waya kuye endleleni, watî, Kâuze, ndikungene; kuba ubengazi ukuba ngumolokazana wakê. Watî, Wondinika nto-nina, ukuze ndikuvumele ukuba undingene?

17 Watî, Mna ndotûmela nditâbatê itakane le-bokwe elisempahlen' emfutshane. Watî, Ewe, ukuba utê wandinika isibambîso ude ulitûmele *kum*.

18 Watî, Ndikunike sibambîso sinina? Wati yena, Umsesane wakô, nesidanga sakô, nomsimelelo wakô osesandleni sakô. Wamnika-ke, wamngena, wamitâ yena ngaye.

19 Wesuka wemka, wasisusa isigqubutêlo sakê, wambâtâ ingubo zobuhlolokazi bakê.

20 U-Yuda walitûmela itakane le-bokwe ngesandla sesihlobo sakê sase-Adulam, ukuze samkele isibambîso esandleni senkazana-leyo; asiyifumananga-ke.

21 Sabuza kubantu balondawo, satî, Ipîna iñáwukazi[1] ebise Enayim ngasendleleni? Batî, Akubangakô ñawukazi apâ.

22 Sabuyela ku-Yuda satî, Andiyifumananga; nabo abantu balondawo batê, Akubangako ñawukazi apa.

23 Wati u-Yuda, Mayizitâbatê, hleze sidelwe. Yabona, nditûmele elitakane, ke wena akuyifumananga.

24 Kwatî, emva kwenyanga ezintâtû, waxelelwa u-Yuda kwatîwa, U-Tamare umolokazana wakô uhenyuzile; kananjalo, yabona, umitî ngokuhenyuza oko. U-Yuda watî, Mkûpêni atshiswe.

25 Akukûtshwa, watûmela yena kuyisezala, watî, Ndimitîswe yindoda ezizezayo ezizinto; watî, Kâufanise ukuba ngokabanina lomsesane, nesisidanga, nalomsimelelo.

26 Wazifanisa u-Yuda, watî, Ulîlungisa kunam; wenz' ukuba ndingamnikanga u-Shela unyana wam. Akabanga sabuya amazi.

27 Kwatî, ngexesha lokuzala kwakê, nanku ingamawele esizalweni sakê.

28 Kwatî, ekuzaleni kwakê, kwavela isandla; watâbatâ umzalisikazi, wabopâ esandleni salo usinga olubomvu, esitî, Eli lapûma kuqala.

29 Kutê-ke, lakusibuyisa isandla salo, nanko kupûma umzalwana walo. Watî, Yinina ukuba uzitŷobozele? Watîywa-ke igama lokuba-Peretse.[1]

30 Kwatî emva koko, kwapûma umzalwana walo, obe nosinga olubomvu esandleni sakê; watîywa igama lokuba-Zera.[2]

39 Kekaloku u-Yosefu wahliswa wasiwa e-Yiputa. U-Potifare umbusi wakwa-Faro, umtêtêli wamazemb'enkosi, um-Yiputa, wamtênga kuma-Ishmayeli, abemhlisele kôna.

2 U-Yehova waba naye u-Yosefu, waba yindoda enempumelelo; wasendlwini yenkosi yakê um-Yiputa-lowo.

3 Yabona inkosi yakê ukuba u-Yehova unaye, ukuba zonke izinto abezenza u-Yehova ubezenza zibe nempumelelo esandleni sake.

4 U-Yosefu wababalwa emehlweni ayo, wayilungiselela; yamenza umveleli wendlu yayo, nento zonke ebinazo yazinikela esandleni sakê.

5 Kwatî, ukususela ekubeni yamenza umveleli wendlu yayo nento zonke ebinazo, wayisikelela u-Yehova indlu yom-Yiputalowo ngenxa ka-Yosefu. Yabakô intsikelelo ka-Yehova ezintweni zonke ebinazo, endlwini nasezindle.

6 Zonke izinto ebinazo yaziyekela esandleni sika-Yosefu, ayakâtâlela nanye into ebikuye, ingesiso isonka esidlayo. Ke u-Yosefu ebe mhle isiqu, emhle imbônakalo.

7 Kwatî emveni kwezizinto, umfazi wenkosi yakê wapôsa amehlo akê ku-Yosefu, watî, Ndilale.

8 Wamangala, watî kumka-nkosi yakê, Yabona, inkosi yam ayikâtâlele nto ikum isendlwini, nento zonke enazo izinikele esandleni sam.

9 Akuko bani mkûlu kum kulendlu; ayinqabisanga nento-le kum, nguwe wedwa, ngokokuba ungumkayo; ndingatînina-ke ukwenza obububi bukûlu kangaka, ndone ku-Tîxo?

10 Kwatî, nakuba ebetêtâ ku-Yosefu imihla ngemihla; akampûlapûla yena ukuba alale ecaleni lakê, nokuti abe naye.

11 Kwatî kulomihla, wangena endlwini eya kusebenza umsebenzi wakê, kwaye kungekô nanye yakumadoda endlu endlwini apô.

12 Wambambâ ngengubo, watî, Ndilale.

[1] Onikelwe kunqulo lobu-hedeni.

[1] U-Tyôbozayo. [2] U-Velayo.

Digitized by Google

Wayishiya ingubo yakê esandleni sakê, wabaleka, wapûma pândle.

13 Kwatî, akubona ukuba uyishiyile ingubo yakê esandleni sakê, ubalekele pândle,

14 Wabiza amadoda endlu yakê, watêtâ kuwo, esitî, Kângelani, usizisele indoda engum-Hebere, ukuba idlale ngatî; izile kum isiza kundilala, ndakâla ngezwi elikûlu;

15 Yatî, yakuva ndipâkamisa izwi, ndikâla, yayishiya ingubo yayo ecaleni lam, yabaleka, yapûma pândle.

16 Wayibeka pântsi ingubo yayo ecaleni lakê, yada yafika inkosi yakê endlwini yayo.

17 Watêtâ kuyo ngokwalomazwi esitî, Uze kum umkônzi ongum-Hebere, lo usizisele yena, ukuba adlale ngam;

18 Kutê, ndakulipâkamisa izwi lam, ndikâla, wayishiya ingubo yakê ecaleni lam, wabalekela pândle.

19 Itê, yakuweva inkosi yakê amazwi omkayo awawatêtâyo kuyo, esitî, Wenje nje umkônzi wakô kum, wavutâ umsindo wayo.

20 Inkosi ka-Yosefu yamtâbatâ, yamfaka entolongweni, kulondawo apô amakônxwa okumkani abekonxwa kôna, waba sentolongweni apô-ke.

21 U-Yehova ube no-Yosefu, wamtôbela inceba, wenza ukuba atândwe nguntêtêli wentolongo.

22 Umtêtêli wentolongo wawanikela ku-Yosefu onke amakônxwa asentolongweni, ukuze zonke izinto ezisukuba zisenziwa kôna, abe nguye ozenzayo.

23 Umtêtêli wentolongo akakâtâlelanga nto isesandleni sakê, ngenxa yokuba u-Yehova ube naye; zonke izinto ebesakuzenza, u-Yehova ubezipûmelelisa.

40 Kwatî emveni kwezizinto, umncâmli wokumkani wase-Yiputa, nomoji wezonka zakê, bayôna inkosi yabo, ukumkani wase-Yiputa.

2 U-Faro waba nobufalafume kubo ababusi bakê bobabini umtêtêli wabancâmli nomtêtêli waboji bezonka.

3 Wabanikela elugcinweni, endlwini yomtêtêli wamazemb'enkosi entolongweni, endaweni abekônxelwe kuyo u-Yosefu.

4 Umtêtêli wamazemb'enkosi wamenza u-Yosefu umveleli wabo, wabalungiselela; baba nomzuzu beselugcinweni.

5 Bapûpâ ipûpâ bobabini; elowo wapûpâ ipûpâ lakê ngabusuku bunye, elowo ngokokutŷilwa kwepûpâ lakê, umncâmli nomoji wezonka zokumkani wase-Yiputa ababekônxiwe entolongweni.

6 U-Yosefu wangena kubo kwakusa, wabakângela, wafika bematshekile.

7 Wababuza ababusi bakwa-Faro, ababe naye elugcinweni, endlwini yenkosi yakê, esitî, Kutê-nina ukuba ubuso benu bube bubi namhla-nje.

8 Batî kuye, Sipûpê ipûpâ; akukô ulitŷilayo. U-Yosefu watî kubo, Izitŷilo asizezika-Tixo-na? Kânindixelele ipûpâ elo.

9 Umtêtêli wabancâmli wamxelela u-Yosefu ipûpâ lakê, watî kuye, Epûpêni lam ndibonê um-diliya upâmbî kwam;

10 Em-diliyeni apo amasebe ematâtû, wangatî wona upûma amatûpa, wadubula intyantyambô zawo, izihloko zawo zavutŵa zazi-diliya;

11 Indebe ka-Faro isesandleni sam; ndizitâbatê i-diliya, ndizifaxange endebeni ka-Faro, ndiyinikele indebe esandleni sika-Faro.

12 U-Yosefu watî kuye, Siso esi isitŷilo salo: amasebe amatâtû-lawo yimihla emitâtû;

13 Kusele imihla emitâtû aze u-Faro ayipâkamise intloko yakô, akubuyisele endaweni yakô, uyinikele indebe ka-Faro esandleni sakê ngokwesiko langapâmbîli oko ubungumncâmli wakê.

14 Uz'undikûmbûle-ke, wakulungelwa, undenzele inceba, undikânkanye ku-Faro, undikûpê kulendlu;

15 Ngokuba inene ndablwa ezweni lama-Hebere, nalapâ andenzanga nto ukuba bandifake embadini-lo.

16 Umtêtêli waboji-zonka wabona ukuba isitŷilo-eso silungile, watî ku-Yosefu, Nam ndipûpîle; ndibonê ingobozi ezintatû zezonka ezimhlope ezisentloko yam;

17 Engobozini epêzulu kukô izidlo ngezidlo zonke zika-Faro ezingumsebenzi womoji-zonka, intaka zisidla kweyona ngobozi ipêzulu entloko yam.

18 Wapêndula u-Yosefu watî, Siso esi isitŷilo salo: ingobozi ezintatû ezo yimihla emitâtû;

19 Kusele imihla emitâtû, aze u-Faro ayipâkamise intloko yakô isuke kuwe, akuxôme emtîni, ziyidle intaka inyama yakô ipêle.

20 Kwatî ngomhla wesitâtû, umhla wo-

Digitized by Google

kuzalwa kuka-Faro, wabenzela isidlo bonke abakônzi bakê, wayipâkamisa intloko yomtétéli wabancâmli, nentloko yomtétéli waboji-bezonka pakati kwabakônzi bakê.

21 Wambuyisela umtétéli wabancâmli kubuncâmli bakê; wayinikela indebe esandleni sika-Faro.

22 Ke yena umtétéli waboji-bezonka wamxôma, njengoko u-Yosefu wabatŷilelayo. Umtétéli wabancâmli akamkûmbûlanga u-Yosefu, wamlibala.

41 Kwatî, ekupêleni kweminyaka emibini ezeleyo u-Faro wapûpâ emi pézu komlambô;

2 Nanko kunyuka kupûma emlanjeni amatôkazi asixênxe, amahle, etyebile, esidla engcotyeni;

3 Nanko, kunyuka kupûma emlanjeni amanye amatôkazi asixênxe emva kwawo, emabi, enqinile, ema ecaleni lamanye amatokazi-lawo elunxwemeni lomlambô;

4 Asuka amatôkazi amabi, anqinileyo, awadla amatôkazi asixênxe amahle, atyebileyo. Wapâpâma u-Faro.

5 Walala, wapûpâ okwesibini. Wabona izikŵebu ezisixênxe zipûma mcingeni mnye, zityebile zilungile.

6 Nanzo, izikŵebu ezisixênxe ezingcakacileyo ezitshileyo lulopû lwasempumalanga, zipûma emva kwazo;

7 Zesuka izikŵebu ezingcakacileyo zaziginya izikŵebu zosixênxe ezityebileyo ezicûmileyo. Wavuka u-Faro, O, lipûpâ.

8 Kwatî kusasa, umoya wakê wangqunga; watûmela, wazibiza zonke izazi zase-Yiputa, izilumko zonke zakôna; u-Faro wazixelela ipûpâ lakê; akwabikô bani kuzo unokuwatŷila ku-Faro.

9 Wateta umtétéli wabancâmli ku-Faro, esitî, Ndiyasikûmbûla namhla-nje isono sam;

10 U-Faro waye nobufalafume kubakonzi bake, wandinikela elugcinweni endlwini yomtétéli wamazemb'enkosi, mna lo nomtétéli waboji bezonka.

11 Sapûpâ ipûpâ ngabusuku bunye, mna naye; walowo wapûpâ ngokutŷilwa kwepûpâ lakê.

12 Kwakukô kutî umfana ongum-Hebere, umkônzi womtétéli wamazemb'enkosi, samxelela, wasitŷilela amapûpâ etû, wamtŷilela elowo ngokwepûpâ lakê.

13 Kwatî, ngokoko asitŷileleyo kwaba njalo; mna wandibuyisela endaweni yam, omnye lowo wamxôma.

14 U-Faro watûmela wambiza u-Yosefu. Bamgidimisa ukumkûpâ emhâdini; wazicéba, wanxiba ngubo zimbî, weza ku-Faro.

15 Watî u-Faro ku-Yosefu, Ndipûpê ipûpâ, akukô bani unokulitŷila; mna ndive kusitîwa ngawe, uyaliva ipûpâ ulitŷile.

16 U-Yosefu wampêndula u-Faro, esitî, Akunam; u-Tîxo uya kupêndula into yokumsindisa u-Faro.

17 U-Faro watétâ ku-Yosefu, *watî*, Epûpêni lam, yabona, bendimi elunxwemeni lomlambô;

18 Nanko, kunyuka kupûma emlanjeni amatôkazi asixênxe etyebile, emahle, esidla engcotyeni;

19 Nanko, kunyuka kupûma amanye amatôkazi asixênxe emva kwawo ebityile, emabi kakûlu, engamafoqofoqo, endingazanga ndibone anjalo kulo lonke ilizwe lase-Yiputa ukuba mabi kwawo;

20 Amatôkazi angamafoqofoqo, amabi, awadla awokuqala amatôkazi asixênxe atyebileyo;

21 Angena embilinini wawo, akwazeka ukuba angenile embilinini wawo; imbônakalo yawo yambî njengasekuqaleni. Ndapâpâma,

22 Ndabona epûpêni lam izikŵebu ezisixênxe zipûma mcingeni mnye, zicûmile zilungile;

23 Nanzo, izikŵebu ezisixênxe zishwabene zingcakacilê, zitshile lulopû lwasempumalanga, zihluma emva kwazo.

24 Zesuka izikŵebu ezingcakacileyo, zaziginya izikŵebu ezisixênxe ezilungileyo. Ndatétâ nezazi; akukô bani kuzo undixelelayo.

25 U-Yosefu watî ku-Faro, Ipûpâ lika-Faro linye; u-Tîxo umxelele u-Faro oko aya kukwenza.

26 Amatôkazi asixênxe alungileyo yiminyaka esixênxe, izikŵebu ezisixênxe ezilungileyo yiminyaka esixênxe; ipûpâ-eli linye.

27 Amatôkazi asixênxe angamafoqofoqo amabi, anyukileyo apûma emva kwalawo, yiminyaka esixênxe, nezikŵebu ezisixênxe ezinqinileyo, ezitshileyo lulopû lwasempumalanga, ziya kuba yiminyaka esixênxe yendlala.

28 Lelo lizwi ndilitêtîleyo ku-Faro loku-

Digitized by Google

tî: oko aya kukwenza u-Tîxo ukubonisile ku-Faro.

29 Yabona, kuza iminyaka esixênxe yendyebo enkulu ezweni lonke lase-Yiputa;

30 Zekuvele iminyaka esixênxe yendlala emva kwaleyo, ilityalwe yonke indyebo ezweni lase-Yiputa, indlala iligqibe ilizwe;

31 Ingaziwa indyebo elizweni ngenxa yalondlala iya kubakô emva kwayo, kuba iya kuba nzima kunene.

32 Uku pîndwa kabini kwepûpâ-elo ku-Faro kukuqiniswa kwayo lendawo ngu-Tîxo, uya kukâuleza u-Tîxo ukuyenza.

33 Ngoko u-Faro makakângele indoda eyingqondi esilumko, ayimise pêzu kwelizwe lase-Yiputa.

34 Makenze lento u-Faro, alimisele abaveleli ilizwe, atâbatê isihlanu selizwe lase-Yiputa ngeminyaka yosixênxe yendyebo.

35 Babutê konke ukudla kwalominyaka ilungileyo izayo, bafumbê inqôlowa pântsi kwesandla sika-Faro, ibe kukudla emizini, bayigcine;

36 Okokudla kube yinto ebekelwe ilizwe iminyaka yosixênxe yendlala eya kubakô ezweni lase-Yiputa, lingatshabalali ilizwe yindlala.

37 Lalunga elozwi emehlweni ka-Faro nasemehlweni abo bonke abakonzi bakê.

38 U-Faro watî kubakônzi bakê, Sinokumfumana-na umntu onje onomoya ka-Tîxo?

39 U-Faro watî ku-Yosefu, Ekubeni u-Tîxo ekwazisile konke oku, akukô bani uyingqondi usisilumko njengawe.

40 Uya kuba pêzu kwendlu yam wena, bawutôbele umlomo wakô bonke abantu bam; kuse-troneni yodwa endiya kuba mkûlu kuwe.

41 U-Faro watî ku-Yosefu, Kângela, ndikumise pêzu kwalo lonke ilizwe lase-Yiputa.

42 Wawukûlula u-Faro umsesane wakê esandleni sakê, wawufaka esandleni sika-Yosefu, wamambâtîsa ingubo ze-linen ecikizekileyo, wanxiba umxokelelwane wegolide entanyeni yakê,

43 Wamkwêlisa enqwelweni yesibini abe nayo, kwamenyezwa pâmbî kwakê, kwatîwa, Guqani! Wammisa pêzu kwalo lonke ilizwe lase-Yiputa.

44 Watî u-Faro ku-Yosefu, Ndingu-Faro; ngapândle kwakô akukô bani uya kupâkamisa sandla sakê nalunyawo lwakê ezweni lonke lase-Yiputa.

45 U-Faro wamtîya u-Yosefu igama lokuba-Tsafenati-paneha, wamnika u-Azenati intombi ka-Potifera, umenzeleleli wase-On, ukuba abe ngumkakê. Wapûma u-Yosefu, walihambâ ilizwe lase-Yiputa.

46 U-Yosefu waye minyaka imashumi matâtû ezelwe, ukuma kwakê pâmbî ko-Faro ukumkani wase-Yiputa; wapûma u-Yosefu ebusweni buka-Faro, walicanda lonke ilizwe lase-Yiputa.

47 Umhlaba wavelisa ngendipâne ngeminyaka esixênxe yendyebo.

48 Wakubutâ konke ukudla kweminyaka esixênxe ebikô ezweni lase-Yiputa, wakubeka ukudla kuyo imizi; ukudla kwamasimi abewungqongile umzi wakubeka pâkatî kwawo.

49 U-Yosefu wayifumbâ inqôlowa yanjengentlabati yolwandle, yaninzi kunene, wada wayeka ukubala, kuba ibinge nakubalwa.

50 U-Yosefu wazala onyana bababini, wabazalelwa ngu-Azenati intombî ka-Potifera, umenzeleleli wase-On, ingekafiki iminyaka yendlala,

51 U-Yosefu wamtîya owamazibulo igama elingu-Manase;[1] ngokuba watî, U-Tîxo undenze ndakulibala konke ukwapûka kwam, nayo yonke indlu kabawo.

52 Owesibini wamtîya igama elingu-Efrayim;[2] ngokuba *watî*, U-Tîxo undiqâmisile ezweni lentsizi zam.

53 Yapela-ke iminyaka yosixênxe yendyebo ebisezweni lase-Yiputa.

54 Yaqala ukufika iminyaka yosixênxe yendlala, njengoko wayekutêtîle u-Yosefu. Yabakô indlala kumazwe onke, ke ezweni lonke lase-Yiputa kwakukô isonka.

55 Lonke ilizwe lase-Yiputa laba nendlala; abantu bakâlela isonka ku-Faro; watî u-Faro kuwo onke ama-Yiputa, Yiyani ku-Yosefu, até wakutêtâ kuni zenikwenze.

56 Indlala yaba sezweni lonke; u-Yosefu wazivula zonke izindlu ezinokudla, watêngisa ngenqôlowa kuma-Yiputa; kuba indlala yaba namandla ezweni lase-Yiputa.

57 Lesuka ilizwe lipêla, leza kutênga inqôlowa ku-Yosefu e-Yiputa, kuba indlala ibi namandla kulo lonke.

[1] U Libalisa.
[2] U-Ziqâmo.

Digitized by Google

42 Wabona u-Yakobi ukuba kukô inqôlowa e-Yiputa, watî u-Yakobi konyana bakê, Yinina ukuba nikângelane.
2 Watî, Yabonani, ndivile ukuba kukô inqôlowa e-Yiputa; yihlani niye kôna, nisitengele inqôlowa, sipîle singafi.
3 Behla abakûluwa baka-Yosefu abalishumi, beya kutênga inqôlowa e-Yiputa.
4 Kodwa u-Benyamin umninawe ka-Yosefu, u-Yakobi akamtûmanga nabakûluwa bakê; kuba watî, hleze ahlelwe yingozi.
5 Onyana baka-Sirayeli beza kutênga inqôlowa pâkatî kwabo bezayo; kuba indlala ibikô ezweni lakwa-Kanan.
6 U-Yosefu waye ngumlauli welizwe elo; yena wayetêngisa ngenqôlowa kubo bonke abantu belizwe-elo; bafika-ke abakûluwa baka-Yosefu, baqubuda kuye ngobuso emhlabeni.
7 U-Yosefu wababona abakûluwa bakê, wabazi, wazenza ongabaziyo, watêtâ nabo kalukûni, watî kubo, Nivela pîna? Batî, Sivela ezweni lakwa-Kanan, size kutênga ukudla.
8 U-Yosefu wabazi abakûluwa bakê; ke bona abamnakananga.
9 Wawakûmbûla u-Yosefu amapûpâ abewapûpîle ngabo, watî kubo, Nizintlola nina, nize kubona ubuzé belizwe-eli.
10 Batî kuye, Hayi, nkosi; abakônzi bakô beze kutênga ukudla.
11 Sonke sipêla singonyana bamfo mnye, siyalungisa; abakônzi bakô abazizo intlola.
12 Watî kubo, Hayi, nize kubona ubuzé belizwe-eli.
13 Batî, Abakônzi bakô balishumi elinababini, siyazalana singonyana bamfo mnye ezweni lakwa-Kanan. Uyabona, omncinane ukubawo namhla, omnye akakô.
14 Watî u-Yosefu kubo, Yilento bendiyitétâ kuni, ndisitî, Nizintlola.
15 Niya kucikidwa ngalendawo: ehleli-nje u-Faro, anisokupûma apâ, ukuba akatânga eze apâ umninawa wenu omncinane.
16 Tûmani omnye kuni apâ, apûtûme umninawa wenu, nikônxwe nina; acikidwe amazwi enu ukuba ninenyaniso-na; ukuba akabanga njalo; ehleli-nje u-Faro, inene noba nizintlola.
17 Wabanikela bonke elugcinweni imihla yamitâtû.
18 U-Yosefu watî kubo ngomhla wesitâtû, Yenzani oku, nipîle; kuba ndiyamoyika u-Tîxo.
19 Ukuba ninyanisile, omnye umzalwana kuni apâ makakônxwe endlwini yokugcinwa kwenu, nihambê nina, niyise inqôlowa ngenxa yendlala yezindlu zenu.
20 Umninawa wenu omncinane nimzise kum, okôleka-ke amazwi enu, ningafi. Benje njalo-ke.
21 Bateta omnye komnye besiti, Inyaniso sinetyala ngenxa yomninawa wetû, sabe sikubona-nje ukubandezeleka kompêfumlo wakê, oko abetafuzisa kutî, asampûlapûla; kungenxa yoko lento kusifikeleyo okukubandezeleka.
22 Wabapêndula u-Ruben esitî, Ndabe ndingatsho-na kuni ukutî, Musan' ukumôna umfana? anapûlapûla; yabonanike, igazi lakê, liyabizwa.
23 Babengazi bona ukuba u-Yosefu uyeva, kuba kwakumi umkûmshi pâkatî kwabo.
24 Watî-guququ, walila; wabuya weza kubo, watêtâ nabo, wamtâbatâ u-Simon kubo, wamkônxa bekângele.
25 Wawisa umtêtô u-Yosefu wokuba zizaliswe inxôwa zabo ngenqôlowa, imali yabo ibuyiselwe kulowo nalowo enxôweni yakê, banikwe nompâko wendlela; kwenjiwa njalo-ke kubo.
26 Bawabopâ inqôlowa ama-esile abo, bemka-ke apô.
27 Utê-ke omnye akuyivula inxôwa yakê, ukuba apê i esile lake i-fula apô balalisa kôna, wayibona imali yakê, isemlonyeni wenxôwa yakê.
28 Watî kubazalwana bakê, Ibuyisiwe imali yam; nantsi ikô nokubakô enxôweni yam. Bapêl'amandla, bakângelana begûba, bati, Yinto-nina le ayenzileyo u-Tîxo kutî?
29 Bafika ku-Yakobi uyise ezweni lakwa-Kanan, bamxelela yonke into ebahleleyo besitî,
30 Indoda, inkosi yelozwe, yatêtâ natî kalukûni, yatî sizintlola zelozwe;
31 Satî kuyo, Sinyanisile; asizizo intlola,
32 Singabazalwana abalishumi elinababini, onyana bakabawo; omnye akakô, omncinane ukubawo namhla ezweni lakwa-Kanan.
33 Indeda-leyo, inkosi yelozwe, yatî kutî, Ndiya kwazi ngalendawo ukuba ninyanisile: shiyani abe mnye umzalwana we-

Digitized by Google

nu kum apâ, nipâtêle izindlu zenu ukudla ngenxa yendlala, nihambê,

34 Nimzise umninawa wenu omncinane kum, ndize ndazi ukuba ninyanisile, anizizo intlola, ndimnikele kuni umzalwana wenu, niṙwebe ezweni apâ.

35 Kwatî, bakukûpêla inxôwa zabo, babona isiqûma semali salowo nalowo enxôweni yakê; bakuzibona iziqûma zabo zemali, boyika bona noyise.

36 Watî kubo u-Yakobi uyise, Nindihlutê abantwana; u-Yosefu akakô, u-Simon akakô, niza kutâbatâ no-Benyamin, zikẘele kum zonke ezozinto.

37 Watî u-Ruben kuyise, Babulale bobabini onyana bam, ukuba anditânga ndimzise kuwe; mnikele esandleni sam, ndombuyisela kuwe mna.

38 Watî yena, Unyana wam akasokuhla nani; ngokuba ufile umkûluwa wakê, yena usele yedwa; ukuba utê wahlelwa yingozi endleleni eniyihambâyo, izimvi zam nozitôbela e-hadesi[1] ndinesinqâla.

43 Indlala yayinzima kwelozwe.

2 Kwatî, bakuba begqibile ukuyidla inqôlowa ababeze nayo bevela e-Yiputa, watî uyise kubo, Buyani niye kusitêngela intwana yokudla.

3 Watî u-Yuda kuye, Indoda leyo yaqononondisa kutî, yatî, Aniyi kububona ubuso bam, engabangakô nani umninawa wenu.

4 Ukuba utê wamtûma umninawa wetû natî, sohla siye kukutêngela ukudla;

5 Ukuba akutânga umtûme, asiyi kuhla; kuba indoda-leyo yatî kutî, Aniyi kububona ubuso bam, engabangakô nani umninawa wenu.

6 U-Sirayeli watî, Yinina ukuba nindenzele ububi, niyixelele indoda-leyo ukutî, nisenomninawa?

7 Batî, Indoda-leyo yabuza kunene ngatî nangemizalwana yetû, isitî, Usapililena uyihlo? nisenomninawa-na? Sayixelela ngokwalomazwi. Besisazi yinina ukuba ibiya kutî, Yihlani nomninawa wenu?

8 U-Yuda watî ku-Sirayeli uyise, Mtûme nam umfana, sisuke sihambê, sipîle, singafi tîna, nawe nabantwana betû.

9 Mna ndiya kummela, wombiza esandleni sam; ukuba anditânga ndimzise kuwe, ndimbeke pâmbî kwakô, mandibe netyala kuwe yonke imihla yam.

10 Kuba ukuba besingazilazilanga, inene ngesiba ngoku sesibuye okwesibini.

11 U-Sirayeli uyise watî kubo, Ukuba kunjalo okunene, yenzani-ke oku; tâbatâni kwezinconywayo izinto zelizwe-eli nizifake ezinxôweni zenu, nihle niyisele indoda-leyo umnikelo: intwana yamafutâ aqôliweyo, nentwana yencindi yobusi, nentlak'emhlope, nentlak' emnandi, nenkozo ze-pistasi, ne-amangile.

12 Pâtâni enye imali esandleni senu; nalomali yabuyiswayo emlonyeni wenxôwa zenu buyani nayo esandleni senu; mhlaumbî sisipôsiso.

13 Nomninawa wenu mtâbatêni, ninduluke nibuyele kwindoda-leyo.

14 Ngamana u-Tîxo u-Somandla wanipâtâ ngemfesane pâmbî kwendoda-leyo, ukuba inikûlulele omnye umzalwana wenu lowo no-Benyamin. Mna njengokuba ndihlutiwe abantwana, ndihlutiwe.

15 Amadoda-lawo awutâbatâ lomnikelo, nemali zombini azipâtâ esandleni sawo, no-Benyamin, asuka ehla aya e-Yiputa, ema pâmbî ko-Yosefu.

16 U-Yosefu wambona u-Benyamin enabo, watî kumpatî wendlu yakê, Wangenise lomadoda endlwini, uxêle, ulungise; kuba lamadoda aya kudla nam emin' enkulu.

17 Indoda-leyo yenza njengoko watshoyo u-Yosefu; indoda yawangenisa amadoda endlwini ka-Yosefu.

18 Amadoda oyika, ngokuba engeniswe endlwini ka-Yosefu, atî, Kungenxa yemali eyayibuyiselwe ezinxôweni zetû ekuqaleni lento singeniswe apâ; ukuze agaleleke pêzu kwetû, asiwele, asitâbatê sibe ngamakôboka, kwa nama-esile etû.

19 Asondela kulondoda ipêtê indlu ka-Yosefu, atêtâ nayo emnyango wendlu,

20 Atî, Tafu, nkosi! Sehla okunene ekuqaleni sisiza kutênga ukudla.

21 Kwatî, sakufika endaweni yokulalisa, sazivula inxôwa zetû, kwavela imali yalowo nalowo emlonyeni wenxôwa yake, imali yetû ngomlinganiso wayo. Sibuyê nayo-ke siyipêtê,

22 Nenye imali sihle seza nayo esandleni setû, ukuba sitênge ukudla; asimazi oyifakileyo imali ezinxôweni zetû.

23 Yatî, Xolani, musan' ukoyika; u-

[1] Kwelalwafileyo.

Digitized by Google

Tixo wenu u-Tixo woyihlo uninikile ubutyebi ezinxôweni zenu; imali yenu ndayamkela. Yabakûpela u-Simon.

24 Indoda-leyo yawangenisa amadoda endlwini ka-Yosefu, yawanika amanzi, ahiambâ inyawo zawo; yawapâ i-fula ama-esile awo.

25 Umnikelo-lowa awulungisela ukufika kuka-Yosefu emin' enkulu; kuba ebeve kusitiwa ayakudla isonka kôna.

26 Wangena u-Yosefu endlwini; amzisela endlwini umnikelo obusesandleni sawo, aqubuda kuye emhlabeni.

27 Wawabuza ukupîla kwawo, watî, U-yihlo usapîlile-na, ixêgo enanitêtê ngalo? Usadla ubomi-na?

28 Atî, Usapilile ubawo umkônzi wakô, usadla ubom; batôba baqubuda.

29 Wawapâkamisa amehlo akê, wambona u-Benyamin umninawa wakê, umtakanina, watî, Nguye-na lo umninawa wenu omcinane, enibe nitêtâ ngaye kum? Watî, Ngamana u-Tixo wakubabala, nyana wam.

30 Wakâuleza u-Yosefu; kuba wasikwa yimfesane ngenxa yomninawa wakê, wafuna indawo angalilela kuyo, wangena engontsini, walila kôna.

31 Waza wahlambâ ubuso bakê, wapûma ezibambile, watî, Bekani isonka.

32 Bambekela yedwa, bababekela bodwa bona, bawabekela odwa ama-Yiputa abesidla naye; kuba ama-Yiputa akanakudla sonka nama-Hebere; kuba lisikizi elo kuma-Yiputa.

33 Bahlala pântsi pâmbî kwakê, owamazibulo ngokobuzibulo bakê, omcinane ngokobuncinane bakê. Amadoda akângelana engakûlumi.

34 Aselwa izabelo ezisuka pâmbî kwakê, ke isabelo sika-Benyamin saba sikûlu kahlanu kwizabelo zabo bonke bepêla. Basela, baba mnandi benaye.

44 Wamwisela umtêtô umpâtî wendlu, esitî, Zizalise inxôwa zalamadoda ngokudla, njengoko zinakô ukukôngozela, uyibeke imali yalowo nalowo emlonyeni wenxôwa yakê,

2 Uyibeke indebe yam, indebe ye-silivere, emlonyeni wenxôwa yomncinane, nemali yenqôlowa yakê. Wenza-ke ngokwelizwi lika-Yosefu abelitêtîle.

3 Kwakutî-qîp' ukusa andululwa lomadoda, wona nama-esile awo.

4 Akubona ukuba apûmile emzini engekayi kude, watî u-Yosefu kumpâtî wendlu yakê, Suka uwasukele lamadoda; wakuwafumana uz'utî kuwo, Yinina ukuba nipîndezele okulungileyo ngokubi?

5 Lento asiyile-na inkosi yam isela ngayo, ihlabe nezihlabo ngayo? yinto embi lento niyenzileyo.

6 Wawafumana, watêtâ kuwo lomazwi.

7 Atî kuye, Yinina ukuba inkosi yam itêtê ngokwalomazwi; makube lê kubakônzi bakô ukwenza ngokwelolizwi.

8 Uyabona, imali esayifumanayo emlonyeni wenxôwa zetû, sayibuyisela kuwe, sivela ezweni lakwa-Kanan. Singatî-nina-ke ukūbā endlwini yenkosi yakô i-silivere nokuba yi-golide.

9 Osukuba ifunyenwe kuye pâkatî kwabakônzi bakô, makafe; kananjalo tîna sibe ngabakônzi enkosini yam.

10 Watî, Makube njengokwamazwi enu; kengoko osukuba ifunyenwe kuye woba ngumkônzi wam, ke nina noba msulwa.

11 Bakâuleza, batûla elowo inxôwa yakê, bayibeka emhlabeni, bavula elowo inxôwa yakê.

12 Wagqutâgqutâ eqalela komkûlu, egqibela komncinane; yafunyanwa indebe enxôweni ka-Benyamin.

13 Baziřazula ingubo zabo, babopâ elowo i-esile lakê, babuyela kulomzi.

14 Wafika u-Yuda nabazalwana bakê endlwini ka-Yosefu, ube sekôna yena, bawa pâmbî kwakê emhlabeni.

15 U-Yosefu watî kubo, Sisenzo sinina esi nisenzileyo? beningazi-na ukuba indoda enjengam-nje ibingahlaba izihlabo?

16 U-Yuda watî, Siya kutî-nina enkosini yam? Siya kutêtâ nto-nina? siya kuzihlamba nja-nina? U-Tixo ubufumene ubugwenxa babakônzi bakô; yabona, singabakônzi benkosi yam, tîna aba, nalowa indebe ifunyenwe esandleni sâke.

17 Watî, Makube lê kum ukwenza lonto; indoda efunyenwe esandleni sayo indebe, yiyo eya kuba ngumkônzi kum, ke nina nyukani nixolile niye kuyihlo.

18 U-Yuda wasondela kuye, watî, Tafu, nkosi yam, makê atêtê ilizwi umkônzi wako ezindlebeni zenkosi yam, maungavutî umsindo wakô ngakumkônzi wakô, ngokuba ungango-Faro wena.

Digitized by Google

19 Yababuza inkosi yam abakôնzi bayo, isitî, Ninoyihlo-na, ninomninawa-na?
20 Satî tîna enkosini yam, Sinobawo ixêgo, nomntwana wobuxêgo bakê omncinane; umkuluwa wakê wafa, yena usele yedwa kunina, uyise uyamtânda.
21 Watî-ke wena kubakôնzi bakô, Yihlani naye eze kum, ndiwamise amehlo am kuye.
22 Satî tîna kwinkosi yam, Umfana-lowo akanakô ukumshiya uyise; emshiyile uyise angafa.
23 Watî wena kubakôնzi bakô, Ukuba umninawa wenu omncinane akatânga ehle nani, anikubuye nibubone ubuso bam.
24 Kwatî, xenikweni senyukayo saya kumkôնzi wakô ongubawo, samxelela amazwi enkosi yam.
25 Watî ubawo, Buyani niye kusitêngela intwana yokudla.
26 Satî, Asinakuhla; ukuba umninawa wetû omncinane unatî, sohla; kuba asinakububona ubuso bendoda-leyo, engenatî umninawa wetû omncinane.
27 Watî ubawo umkôնzi wakô kutî, Niyazi nina, ukuba umkam wandizalela onyana ababini.
28 Omnye wapûma kum, ndatî, Inene uqwengiwe, andimbonanga unangoku.
29 Nimtâbatâ-nje naló ebusweni bam, etê wahlelwa yingozi, nozihlisela izimvi zam zinobubi ehadesi.
30 Ngoko-ke ukuba nditê ndafika kubawo umkôնzi wakô, engenatî umfana (umpêfumlo wakê ubotshwe nompêfumlo wake-nje),
31 Kotî, akubon' ukuba akakô umfana, afe, nabakôնzi bakô bahlise izimvi zomkôնzi wakô ubawo enesinqâla, ziye ehadesi.
32 Kuba umkôնzi wakô lo wammela umfana lowo kubawo, ndisitî, Ukuba anditânga ndimzise kuwe, ndoba netyala kubawo yonke imihla yam.
33 Ngoko makahlale umkôնzi wakô lo esikûndleni somfana, ndibe ngumkôնzi enkosini yam mna; umfana anyuke nabakûluwa bakê.
34 Kuba ndingatî-nina ukunyuka ndiye kubawo, engenam umfana? hleze ndibubone ububi obomfumana ubawo.

45 U-Yosefu akabanga nakuzibambâ pâmbî kwabo bonke abebemi ngakuye; wadanduluka watî, Kûpâni bonke abantu bemke kum; akwabikô mntu umi ngakuye ekuzaziseni kuka-Yosefu kubazalwana bakê.
2 Wasibeka isililo; eva ama-Yiputa, yeva nendlu ka-Faro.
3 Watî u-Yosefu kubazalwana bakê, Ndingu-Yosefu; usapîlile-na ubawo? Ababi nakô ukumpêndula abazalwana bakê; kuba bakwanqiswa pâmbî kwakê.
4 Watî u-Yosefu kubazalwana bakê, Kânisondele kum apâ. Basondela. Watî, Ndingu-Yosefu umzalwana wenu, enatêngisayo ngaye e-Yiputa.
5 Ngoko musan' ukuba buhlungu, ningaziqumbêli, ukuba natêngisa ngam apâ; kuba u-Tîxo wanditûma pâmbî kwenu ukuze ndisindise abantu.
6 Kuba ngoku iminyaka mibini indlala ikô pâkatî kwelizwe; isemihlanu iminyaka ezayo, ekungayi kubakô kulima nakuvuna ngayo.
7 U-Tîxo unditûmê pâmbî kwenu, ukuba ndinimisele amasalela ezweni, ukuba ndisindise ubomi benu, ibe kukusinda okukûlu.
8 Ngoko-ke asinini abanditûmê apâ, ngu-Tîxo; wandenza uyise ku-Faro, nenkosi pêzu kwayo yonke indlu yakê, nomlauli ezweni lonke lase-Yiputa.
9 Kâulezani, ninyuke niye kubawo, nitî kuye, Utsho unyana wakô u-Yosefu ukutî, U-Tîxo undenze inkosi kuyo yonke i-Yiputa; yihla uze kum, mus' ukulibala;
10 Wohlala ezweni lase-Goshen, ube kufupî kum, wena, nonyana bakô, nonyana bonyana bakô, nempahla yakô emfutshane, nenkomo zakô, nento zonke onazo.
11 Ndikondle kôna; kuba isaya kuba mihlanu iminyaka yendlala, hleze uhlwempuzeke wena, nendlu yakô, nento yonke onayo.
12 Yabonani, amehlo enu ayabona, namehlo omninawa wam u-Benyamin, ukuba ngumlomo wam lo utêtâyo kuni.
13 Nimxelele ubawo lonke uzuko lwam e-Yiputa, nento zonke enizibonileyo, nikâuleze nihle nobawo eze apâ.
14 Wawa entanyeni ka-Benyamin umninawa wakê, walila; u-Benyamin walila entanyeni yakê.
15 Wabanga bonke abazalwana bakê, walila pêzu kwabo; emveni koko abazalwana bakê batêtâ naye.

Digitized by Google

16 Lavakala izwi endlwini ka-Faro, lisiti, Bafikile abazalwana baka-Yosefu; kwalunga oko emehlweni ka-Faro nasemehlweni abakonzi bakê.

17 Watî u-Faro ku-Yosefu, Yitî kubazalwana bakô, Yenzani oku: bopâni amaqegu enu, nihambê niye ezweni lakwa-Kanan,

18 Nitâbatê uyihlo nezindlu zenu, nize kum apâ, ndoninika into ezilungileyo zelizwe lase-Yiputa, nidle ukutyeba kwelizwe.

19 Wena-ke uwiselwe umtêtô, yenzani oku; batâbatêleni abantwana benu nabafazi benu inqwelo ezweni lase-Yiputa, nitŵale uyihlo, nize.

20 Iliso lenu malingabi nanceba empahleni yenu, kuba zonke izinto ezilungileyo zelizwe lonke lase-Yiputa zezenu.

21 Benje njalo-ke onyana baka-Sirayeli. U-Yosefu wabanika inqwelo ngomtêtô ka-Faro; wabanika nompâko wendlela.

22 Wabanika bonke elowo ingubo zokukûlulana. Wamnika u-Benyamin isilivere ezimakûlu matâtû, nengubo ezintlanu zokukûlulana.

23 Kuyise watûmela eziloluhlobo: ama-esile alishumi etŵele into ezilungileyo zase-Yiputa, nemazi zama-esile ezilishumi zitŵele inqôlowa, nesonka, nompâko kayise wendlela.

24 Wabandulula-ke abazalwana bakê, bahambâ; wati kubo, Ize ningaxabani endleleni.

25 Benyuka bemka-ke e-Yiputa, bafika ezweni lakwa-Kanan ku-Yakobi uyise.

26 Bamxelela besitî, U-Yosefu usahleli, ewe ungumtêtêli welizwe lonke lase-Yiputa. Yaqôba intliziyo yakê, kuba ebengakôlwa ngabo.

27 Bawatêtâ kuye onke amazwi ka-Yosefu abewatêtîle kubo; wazibona inqwelo abezitûmele u-Yosefu, ukuba zimtŵale; waza wapîla umoya ka-Yakobi uyise.

28 Watî u-Sirayeli, Kwanele. U-Yosefu unyana wam usahleli. Ndiya kuya ndimbone, ndingekafi.

46 Wanduluka-ke u-Sirayeli nento zonke abe nazo, wafika e-Bersheba, wabingelela imibingelelo ku-Tîxo woyise u-Isake.

2 Watêtâ u-Tîxo ku-Sirayeli emibonweni yobusuku, watî, Wa-Yakobi; wa Yakobi! Watî yena, Ndikô.

3 Watî, Ndingu-Tîxo, u-Tîxo woyihlo, mus' ukoyika ukuhla uye e-Yiputa; kuba ndiya kukwenza uhlanga olukûlu kôna.

4 Mna ndiya kuhla ndiye nawe e-Yiputa, ndinyuke nokunyuka nawe; u-Yosefu asibeke isandla sakê pêzu kwamehlo akô.

5 Wesuka u-Yakobi e-Ber-sheba; onyana baka-Sirayeli bamtŵala u-Yakobi uyise, nabantwana babo, nabafazi babo, ngenqwelo ebezitûnyelwe ngu-Faro ukuba zimtŵale.

6 Bayitâbatâ imfuyo yabo, nengqwebo yabo ababeyiqwebile ezweni lakwa-Kanan, bafika e-Yiputa u-Yakobi nembêwu yakê yonke ndawo-nye naye;

7 Onyana bakê, nonyana bonyana bakê ndawo-nye naye, intombî zakê, nentombî zonyana bakê, nembêwu yakê yonke, weza nayo e-Yiputa.

8 Ngawo la amagama onyana baka-Sirayeli abafikayo e-Yiputa; u-Yakobi nonyana bakê: Amazibulo ka-Yakobi ngu-Ruben.

9 Onyana baka-Ruben ngu-Hanoki, no-Falu, no-Hetseron, no-Karmi.

10 Onyana baka-Simon ngu-Yemuweli, no-Yamin, no-Ohadi, no-Yakin, no-Tsohare, no-Shaule unyana wom-Kananekazi.

11 Onyana baka-Levi ngu-Gershon, no-Kehati, no-Merari.

12 Onyana baka-Yuda ngu-Ere, no-Onan, no-Shela, no-Peretse, no-Zera; ke o-Ere no-Onan bafela ezweni lakwa-Kanan. Onyana baka-Peretse ngu-Hetseron no-Hamuli.

13 Onyana baka-Isakare ngu-Tola, no-Puwa, no-Yobi, no-Shimron.

14 Onyana baka-Zebulon ngu-Zerede, no-Eloni, no-Yaleli.

15 Ngabo abo onyana baka-Leya awabazalela u-Yakobi e-Padan-aram, no-Dina intombî yakê; yonke imipêfumlo yonyana bakê neyentombî zakê ingamashumi omatâtû anamitâtû.

16 Onyana baka-Gadi ngu-Tsifiyon, no-Hagi, no-Shuni, no-Etsebon, no-Eri, no-Arodi, no-Areli.

17 Onyana baka-Ashere ngu-Imna, no-Ishwa, no-Ishvi, no-Beriya, no-Sera u-

Digitized by Google

dade wabo; onyana baka-Beriya ngu-Ebere no-Malekiyeli.

18 Ngabo abo onyana baka-Zilipa, awatĩ u-Laban wamnika u-Leya intombĩ yakê, abo wabazalela ku-Yakobi, imipêfumlo elishumi elinamitândatû.

19 Onyana baka-Raheli umka-Yakobi ngu-Yosefu no-Benyamin.

20 Wazala-ke u-Yosefu ezweni lase-Yiputa u-Manase no-Efrayim, awamzalela bona u-Azenati intombĩ ka-Potifera, umenzeleleli wase-On.

21 Onyana baka-Benyamin ngu-Bela, no-Bekere, no-Ashbele, no-Gera, no-Naaman, no-Ehi, no-Roshe no-Mupim, no-Hupim, no-Ardi.

22 Ngabo abo onyana baka-Raheli, abazalelwa u-Yakobi; iyonke yimipêfumlo elishumi elinamine.

23 Onyana baka-Dan ngo-Hushim.

24 Onyana baka-Nafetali ngu-Yatseli, no-Guni, no-Yetsere, no-Shilem.

25 Ngabo abo onyana baka-Biliha, awatĩ u-Laban wamnika u-Raheli intombĩ yakê; abo wabazalela u-Yakobi, iyonke yimipêfumlo esixênxe.

26 Iyonke imipêfumlo eyaya no-Yakobi e-Yiputa, eyapûma esinqeni sakê, ngapândle kwabafazi bonyana baka-Yakobi, iyonke yimipêfumlo emashumi matândatû anamitândatû.

27 Onyana baka-Yosefu awabazalelwa e-Yiputa yimipêfumlo emibini. Iyonke imipêfumlo yendlu ka-Yakobi eyaya e-Yiputa ibi mashumi asixênxe.

28 Wasusa u-Yuda ukuba amandulele aye ku-Yosefu, ambonis' indlela eya e-Goshen; bafika-ke ezweni lase-Goshen.

29 U-Yosefu wayibopa inqwelo yakê, wenyuka waya kumkâulela u-Sirayeli uyise e-Goshen. Batê bakubonana, wawa entanyeni yakê, walila umzuzu omkûlu entanyeni yakê.

30 Watĩ u-Sirayeli ku-Yosefu, Ndibubonile-nje ubuso bakô, ukuba usahleli, mandife ngoku.

31 Watĩ u-Yosefu kubazalwana bakê nakwindlu kayise, Ndiya kunyuka ndiye kubika ku-Faro, nditĩ kuye, Abazalwana bam nendlu kabawo ababe sezweni lakwa-Kanan bafikile;

32 Kunjalo-nje lamadoda ngabalûsi bempahl' emfutshane, kuba ngabafuyi; impahla yawo emfutshane, nenkomo zawo, nento zonke anazo, aze nazo;

33 Xa atê wanibiza u-Faro, watĩ, Uyinto-nina umsebenzi wenu;

34 Notĩ, Abakônzi bakô ngabafuyi bempahla kwasebuncinaneni betû unangoku, tĩna aba nobawo betû, ukuze nime ezweni lase-Goshen; kuba bonke abalûsi bempahl' emfutshane balisikizi kuma-Yiputa.

47 U-Yosefu waya kumbikela u-Faro, watĩ, Ufikile ubawo nabazalwana bam, nempahla yabo emfutshane, nenkomo zabo, nento zonke aba nazo, bevela ezweni lakwa-Kanan; nabo besezweni lase-Goshen.

2 Wakêtâ kubo abazalwana bakê amadoda amahlanu, wawamisa pâmbĩ ko-Faro.

3 Watĩ u-Faro kubazalwana bakê, Uyintonina umsebenzi wenu? Batĩ ku-Faro, Abakônzi bakô ngabalûsi bempahl' emfutshane, tĩna aba kwa nobawo betû.

4 Babuya batĩ ku-Faro, Sipâmbûkele kwelilizwe; kuba akukô tyani bampahl' imfutshane abanayo abakônzi bakô, kuba inzima indlala ezweni lakwa-Kanan, ngoko-ke mabakê bahlale ezweni lase-Goshen abakônzi bakô.

5 Watêtâ u-Faro ku-Yosefu, watĩ, Uyihlo nabazalwana bakô bafikile kuwe.

6 Ilizwe lase-Yiputa lipâmbĩ kwakô, uyihlo nabazalwana bako bahlalise kweyona ndawo intle yelizwe, mabahlale ezweni lase-Goshen. Ukuba uyazi ukuba kukô kuwo amadoda azinkunqele emsebenzini, wamise abe ngabapâtĩ bemfuyo endinayo.

7 U-Yosefu wamngenisa u-Yakobi uyise, wammisa pâmbĩ ko-Faro. U-Yakobi wamsikelela u-Faro.

8 U-Faro watĩ ku-Yakobi, Mingapîna iminyaka yobudala bakô?

9 Watĩ u-Yakobi ku-Faro, Iminyaka yokuba lundwendwe kwam emhlabeni yiminyaka elikûlu elinamanci matâtû; imbalwa imibi imihla yeminyaka yobudala bam, ayifikanga emihleni yeminyaka yobudala bobawo emihleni yokuba lundwendwe kwabo emhlabeni.

10 U-Yakobi wamsikelela-ke u-Faro; wapûma, wemka ebusweni buka-Faro.

11 U-Yosefu wambeka uyise nabazalwana bakê, ezweni lase-Yiputa, wabani-

Digitized by Google

ka indawo yokuma kweyona ndawo intle yelizwe, ezweni lase-Rameses, ngokomtêto ka-Faro.

12 U-Yosefu wamondla uyise nabazalwana bakê, nendlu yonke kayise, ngesonka, ngangokuswela kosapo lwabo.

13 Bekungekô kudla kulo lonke ilizwe; kuba ibinzima kunene indlala; ilizwe lase-Yiputa nelizwe lakwa-Kanan lapêlelwa ngamandla ngenxa yendlala.

14 Wayihlanganisa u-Yosefu yonke imali eyafunyanwayo ezweni lase-Yiputa nasezweni lakwa-Kanan, yenqôlowa abebeyitênga; wayingenisa u-Yosefu imali endlwini ka-Faro.

15 Yapêla imali ezweni lase-Yiputa nasezweni lakwa-Kanan. Onke ama-Yiputa eza ku-Yosefu, esitî, Sinike ukudla. Yinina ukuba sife pâmbî kwakô, kuba imali ipêlile.

16 Watî u-Yosefu, Rôlani imfuyo yenu, ndoninika ngemfuyo yenu, ukuba imali ipêlile.

17 Ayizisa imfuyo yawo ku-Yosefu; u-Yosefu wawanika ukudla ngamahashe, nangemfuyo eyimpahl' emfutshane, nangemfuyo ezinkomo, nangama-esile, wawapâ ukudla endaweni yayo yonke imfuyo yawo ngalonyaka.

18 Wapêla-ke lonyaka, eza kuye ngomnyaka wesibini, atî kuye, Asinakufihla enkosini yam, ukuba imali nemfuyo ezinkomo ipêlele enkosini yam; akusalanga nto kutî pâmbî kwenkosi yam, yimizimbâ yetû nemihlaba yetû yodwa kupêla.

19 Yinina ukuba sife pâmbî kwako, tîna aba nomhlaba wetû. Sitêngē tîna nomhlaba wetû ngokudla, ukuze tîna nomhlaba wetû sibe ngabakônzi baka-Faro. Sinike imbêwu, ukuze sipîle, singafi, kube senkangala.

20 U-Yosefu wawutêngela u-Faro wonke umhlaba wase-Yiputa; kuba ama-Yiputa atêngisa elowo ngentsimi yakê, kuba indlala yabinzima pêzu kwawo; umhlaba-ke waba ngoka-Faro.

21 Abantu wabafudusela emizini, kwa tâbatêla ekupêleni komnye umda wase-Yiputa kwesa ekupêleni komnye.

22 Ngumhlaba wabenzeleleli wodwa angawutênganga; kuba abenzeleleli bebe nesabelo abasimiselweyo esivela ku-Faro, besidla isabelo eso simiselweyo babesinikwe ngu-Faro, ngenxa yoko bona abatêngisanga ngomhlaba wabo.

23 Watî u-Yosefu ebantwini, Yabonani, namhla, nina nomhlaba wenu, ndinitêngele u-Faro, nantsi-ke imbêwu yenu, hlwayelani umhlaba;

24 Notî kwinto eniyizuzileyo, nimnike u-Faro esesihlanu *isahlulo*, ezine izahlulo zibe zezenu, zibe yimbêwu yentsimi nezokudliwa nini nangabasezindlwini zenu, nezokudliwa lusapo lwenu.

25 Batî, Usisindisile; mayisibabale inkosi yam, soba ngabakônzi ku-Faro.

26 U-Yosefu wayimisa lonto yangunmiselo unanamhla pêzu komhlaba wase-Yiputa, ukuba esesihlanu isahlulo sibe sesika-Faro, ngumhlaba wabenzeleleli wodwa ongabanga ngoka-Faro.

27 Wahlala u-Sirayeli ezweni lase-Yiputa, ezweni lase-Goshen; baqiniseka ukuma kôna, baqâma, banda kunene.

28 U-Yakobi wadla ubomi ezweni lase-Yiputa iminyaka elishumi elinesixênxe; imihla ka-Yakobi, iminyaka yobudala bakê yaba yiminyaka elikûlu elinamanci amane, aneminyaka esixênxe.

29 Yasondela imihla ka-Sirayeli yokuba afe; wabiza unyana wakê u-Yosefu, watî kuye, Ukuba kaloku ndibabalwe nguwe, kâubeke isandla sakô pântsi kwetângâ lam, undenzele inceba nenyaniso. Uz'ungakê undincŵabe e-Yiputa.

30 Ke ndiya kulala kobawo, uz'undisuse e-Yiputa, undincŵabe encŵabeni labo. Watî-ke yena, Ndiya kwenza ngokwelizwi lakô.

31 Watî, Funga; wafunga-ke. Waqubuda u-Sirayeli pêzu kwentloko yesinqênqêlo.

48 Kwatî emveni kwezizinto, kwatîwa ku-Yosefu, Uyabona, uyihlo uyafa. Watâbatâ onyana bakê bobabini u-Manase no-Efrayim, bahambâ naye.

2 Waxelelwa u-Yakobi kwatîwa, Nanku unyana wakô u-Yosefu esiza kuwe; wazomeleza u-Sirayeli, wavuka wahlala esinqênqêlweni.

3 U-Yakobi watî ku-Yosefu, U-Tixo u-Somandla wabonakala kum ndise-Luzi, ezweni lakwa-Kanan, wandisikelela,

4 Watî kum, Yabona, ndiya kukuqâmisa, ndikwandise, ndikwenze isikûngu sezizwe; elilizwe ndilinike imbêwu yakô emva kwakô, libe lelakô ngonapâkade.

Digitized by Google

5 Ngako oko onyana bakô ababini, owabazalelwayo ezweni lase-Yiputa, ndingekafiki kuwe e-Yiputa, ngabam, u-Efrayim no-Manase baya kuba ngabam njengo-Ruben no-Simon;
6 Ke otê wabazala emva kwabo baya kuba ngabako; baya kubizwa ngokwegama labazalwana babo elifeni labo.
7 Ekumkeni kwam mna e-Padan ndafelwa ngu-Raheli ezweni lakwa-Kanan endleleni, ndakubon' ukuba ndimganyana ukuze kufikwe e-Efrata, ndamncŵaba kô-na endleleni yase-Efrata eyi-Betelehem.
8 U-Sirayeli wababona onyana baka-Yosefu, watî, Ngobanina aba?
9 Watî u-Yosefu kuyise, Ngonyana bam endibapîwe ngu-Tîxo apâ. Watî yena, Kâubasondeze kum, ndibasikelele.
10 Ke amehlo ka-Sirayeli ayesele nofatyazo kukwalupâla, engasaboni. Wabasondeza-ke kuye, wabanga, wabawola.
11 U-Sirayeli watî ku-Yosefu, Ukubona ubuso bakô bendingasakucingi; nanku, u-Tîxo endibonise nembêwu yakô.
12 U-Yosefu wabakûpâ pâkatî kwamadolo akê, waqubuda ngobuso bakê emhlabeni.
13 U-Yosefu wabatâbatâ bobabini, u-Efrayim ngesokunene kwesasekôhlo sika-Sirayeli, no-Manase ngesokôhlo kwesokunene sika-Sirayeli, wabasondeza kuye.
14 U-Sirayeli wasolula esokunene sakê, wasibeka entloko ku-Efrayim engomncinane, nesokôhlo sakê entloko ku-Manase, ezenje njalo izandla zakê ngengqiqo; ngokuba u-Manase ebe ngowamazibulo.
15 Wamsikelela u-Yosefu, watî, Ngamana u-Tîxo, ababambâ pâmbî kwakê obawo u-Abraham no-Isake, owandondla kwasekuveleni kwam kwada kwananhlâ,
16 Osisitûnywa esindikûluleyo ebubini bonke, angabasikelela abafana, litî igama lam negama lobawo libizwe pêzu kwabo, u-Abraham no-Isake, bande, babe baninzi emhlabeni.
17 Wabona u-Yosefu, ukuba uyise usibeke isandla sakê sokunene entloko ku-Efrayim, kwakubi emehlweni akê; wasibambâ isandla sikayise wasishenxisa entloko ka-Efrayim esisa entloko ka-Manase.
18 Watî u-Yosefu kuyise, Makungabi njalo, bawo, kuba nguló owamazibulo; beka esokunene entloko yakê.
19 Akavuma uyise, watî, Ndiyazi, nyana wam, ndiyazi, naye uya kuba sisizwe, naye uya kuba mkûlu; kodwa umninawa wakê uya kuba mkûlu kuye, nembêwu yakê ibe zintlanga ezininzi.
20 Wabasikelela ngalomini, esitî, Ngawe uya kusikelela u-Sirayeli, esitî, Ngamana u-Tîxo wakwenza njengo-Efrayim nanjengo-Manase. Wambeka-ke u-Efrayim pâmbî ko-Manase.
21 U-Sirayeli watî ku-Yosefu, Yabona, ndiza kufa; u-Tîxo uya kuba nani, anibuyisele ezweni loyihlo.
22 Mna ndikunike isiqwenga somhlaba ngapêzu kwabazalwana bakô, eso ndasitîmbâyo esandleni sama-Amori ngefele lam nangesapêta sam.

49 Wababiza-ke u-Yakobi onyana bakê, watî, Zihlanganiseni, ndinixelele okuya kunihlela ngemihla yokugqibela.
2 Qukanani, nipûlapûle, nyana baka-Yakobi,
Nipûlapûle u-Sirayeli uyihlo.

3 Ruben, Wena mazibulo am, mandla am, ngqalo yokuqina kwam,
Ncamisa yokupâkama, ncamisa yegunya;
4 Uxâpâzelayo njengamanzi, akusokuba ncamisa kunje;
Kuba wenyukayo waya esililini soyihlo;
Wancôlisa oko, wenyuka waya emandlalweni wam.

5 U-Simon no-Levi ngabazalwana;
Zintonga zokugonyamela izikâli zabo.
6 Egquguleni labo uz'ungangeni umpêfumlo wam,
Nesikûngu sabo lungazibandakanyi uzuko lwam;
Kuba ngomsindo wabo babulala amadoda,
Ngokuzitândela kwabo bazinqumla imisipâ inkomo.
7 Uqalekisiwe umsindo wabo; ngokuba unobuncŵangu;
Ukupûpûma kwabo umsindo, ngokuba unzima;
Ndiya kubacîtâcîtâ kwa-Yakobi,
Ndibapângalalise kwa-Sirayeli

Digitized by Google

8 Yuda, abazalwana bakô baya kukudumisa.
Isandla sakô sibe sentanyeni yentshaba zakô;
Baya kuqubuda kuwe onyana bakayihlo.
9 Litôle lengonyama u-Yuda;
Usuke ekuqwengeni, nyana wam,
Waguqa, wabutûma njengengonyama,
Njengengonyamakazi; ngubanina oya kumvusa?
10 Intonga ayi kumka ku-Yuda,
Intonga yommisi-mtêtô ayi kumka pâkatî kwenyawo zakê,
Ade afike u-Shilo,
Zimlulamele izizwe.
11 Ngu-Kuleka em-diliyeni imazi yakê ye-esile,
U-Kuleka kowohlobo inkonyana yakê ye-esile;
U-Hlambâ nge-wayini isambâtô sake,
Ngegazi le-diliya ingubo yakê;
12 U-Mehlo abomvu yi-wayini,
U-Mazinyo amhlope ngamasi.

13 U-Zebulon uya kuma ngasezibukweni lolwandle,
Ewe ngasezibukweni lenqanawa,
Icala lakê lisingise e-Tsidon.

14 U-Isakare yinyati ye-esile,
Ulala pâkatî kwentlanti.
15 Wakubona ukupûmla ukuba kulungile,
Nelizwe ukuba limnandi;
Igxalaba lakê walitôbela ukutŵala,
Waba ngumsebenzi ofakwa uviko.

16 U-Dan uya kugweba pâkatî kwabantu bakowabo,
Njengezinye izizwe zakwa-Sirayeli.
17 U-Dan, makabe yinyoka ngasendleleni,
Ifambâ ngasemendweni,
Eliluma izitênde zehashe,
Awe ngomva olikŵeleyo.
18 Usindiso lwakô, Yehova, ndilutêmbile.

19 U-Gadi ungenelwa ngamatutu,
Ke yena uwangenela ezitêndeni.

20 Ku-Ashere kupûma amafutâ, isonka sakê eso,
Yena unika izinto eziyolisayo kokumkani.

21 U-Naftali yimazi yexâma ekûlulweyo,
Ukûpâ amazwi amahle.

22 Ngu-Gatya lomtî oqâmayo u-Yosefu,
U-Gatya lomtî oqâmayo ngasemtônjeni,
Omasebe aqabele eludongeni.
23 U-Bamcubunga bamtola,
Bamcâsa abatoli;
24 U-Sihlala sitê-nqi isapêta sakê,
U-Mikôno yezandla zakê inokusityeda,
Ngezandla zembâlasane ka-Yakobi,
Kôn' apô akôyo umalûsi, ilitye lika-Sirayeli.
25 Ngo-Tîxo woyihlo—akuncede,
Ngo-Somandla—akusikelele,
Ibe zintsikelelo zamazulu ezivela pêzulu,
Intsikelelo zamanzi enzonzobila alele ezantsi,
Intsikelelo zamabele nezesizalo,
26 Intsikelelo zoyihlo
Zizigqitile intsikelelo zomawokûlu,
Zasa nasemdeni wentaba zanini.
Mazibe sentloko ku-Yosefu,
Ebucôtsheni bobalulweyo kubazalwana bakê!

27 U-Benyamin yincûka eqwengayo;
Kusasa uya kudla okupângiweyo,
Ngokuhlwa uya kwaba okutînjiweyo.

28 Bonke aba zizizwe zakwa-Sirayeli ezilishumi elinazibini; yiyo leyo into awayitêtâyo kubo uyise, wabasikelela; elowo ngokwentsikelelo yakê wabasikelela.
29 Wabawisela umtêtô, watî kubo, Ndiza kuhlanganiselwa kwabakowetû, ndincŵabeni nobawo emqolombêni osentsimini ka-Efron um-Hiti,
30 Emqolombêni osentsimini yase-Makapela, opâmbî kowakwa-Mamre, ezweni lakwa-Kanan, awawutêngayo u-Abraham ndawo-nye nentsimi ku-Efron um-Hiti, ukuba abe nendawo eyiyeyakê yokuncŵaba.
31 Bamncŵaba kôna apô u-Abraham no-Sara umkakê; bamncŵaba kôna apô u-Isake no-Rebeka umkakê, ndamncŵaba kôna apô u-Leya.

Digitized by Google

32 Yatêngwa intsimi-leyo nomqolombâ okuyo konyana baka-Heti.
33 Wagqiba-ke u-Yakobi ukuyolela konyana bakê, wazifinyezela esinqênqêlweni inyawo zakê, wapûma umpêfumlo, wahlanganiselwa kwabakowabo.

50 Wawa u-Yosefu pezu kobuso bukayise, walila pêzu kwakê, wamanga.
2 U-Yosefu wabawisela umtêtô abakônzi bakê amagqiſa, ukuba amqôle uyise; amagqiſa amqôla-ke u-Sirayeli.
3 Bamzalisela imihla emashumi mane, kuba bebesenje njalo ukuyizalisa imihla yabaqôliweyo; ama-Yiputa amlilela imihla emashumi asixênxe.

4 Yadlula-ke imihla yokulilelwa kwakê, u-Yosefu watêtâ kwindlu ka-Faro, watî, Ukuba kaloku niyandibabala, kânitêtê ezindlebeni zika-Faro, nitî,
5 Ubawo wandifungisa esitî, Yabona, ndiza kuſa; encŵabeni lam endizimbêleyo ezweni lakwa-Kanan wondincŵaba kôna apô. Ngoko makê ndinyuke ndiye kumncŵaba ubawo, ndobuya ndibuye.
6 Watî u-Faro, Nyuka uye kumncŵaba uyihlo ngoko akufungise ngako.
7 Wenyuka-ke u-Yosefu waya kumncŵaba uyise; benyuka naye bonke abakonzi baka-Faro, amadoda amakûlu endlu yakê, amadoda amakûlu onke ezwe lase-Yiputa,
8 Nendlu ka-Yosefu yonke, nabazalwana bakê, nendlu kayise; kwasala intsapo zabo zodwa, nempahla yabo emfutshane, nenkomo zabo ezweni lase-Goshen.
9 Kwenyuka naye inqwelo nabamahashe, yaba ngumkôsi omkûlu kunene.
10 Bafika esandeni sika-Atadi esipêsheya kwe-Yordan, bambâmbâzela izifuba batsho kôna ngesililo esikûlu esinzima kunene; bamenzela uyise isijwili imihla esixênxe.
11 Basibona abemi belozwe ama-Kanan isijwili esandeni sika-Atadi, batî, Sikûlu esisijwili kuma-Yiputa; ngenxa yoko kwatîwa igama laso yi-Abele-mitserayim,[1] epêsheya kwe-Yordan.
12 Onyana bakê benza-ke kuye njengokuyolela kwakê.
13 Bamtŵala onyana bakê, bamsa ezweni lakwa-Kanan, bamncŵaba emqolombêni wentsimi yase-Makapela, awawutêngayo u-Abraham ndawonye nentsimi, ukuba ube yindawo eyiyeyakê yokuncŵaba, ku-Efron um-Hiti pâmbî kowakwa-Mamre.

14 U-Yosefu wabuyela e-Yiputa-ke, yena nabazalwana bakê, nabo bonke abenyuka naye beya kumncŵaba uyise, emva kokuncŵaba kwakê uyise.
15 Kekaloku abakuluwa baka-Yosefu babona ukuba uyise wabo ufile, batî, Azi u-Yosefu uya kusitshutshisa-na, abubuyisele kanye-na kutî bonke ububi esimenzele bona?
16 Batûmela ku-Yosefu, besitî, Uyihlo wayolela pâmbî kokuſa kwake, watî,
17 Notsho ku-Yosefu ukutî, Kâuluxolele uŕeqo lwabakuluwa bakô, nesono sabo sokuba bekwenze into embî; ngoko kâuluxolele uŕeqo lwabakônzi bo-Tîxo woyihlo. Walila u-Yosefu ekutêtêni kwabo kuye.
18 Baya nabakuluwa bakê, bazipôsa pântsi pâmbî kwakê batî, Yabona, singabakônzi bakô.
19 Watî u-Yosefu kubo. Musan' ukoyika, ndisesikûndleni sika-Tîxo yinina?
20 Nina nacinga ububi ngam; ke yena u-Tîxo wacinga okulungileyo, ukuze kutî, njengoko kwenzekileyo namhla, kusinde abantu abaninzi.
21 Ngoko musan' ukoyika; ndonondla nina nentsapo yenu; wabatûtûzela-ke, watêtâ kakuhle nabo.

22 U-Yosefu wema e-Yiputa yena nendlu kayise. U-Yosefu wahlala iminyaka elikulû elinashumi nye.
23 U-Yosefu wabona onyana besesitâtû isizukulwana sika-Efrayim kwa nonyana baka-Makire unyana ka-Manase, ababezalelwe emadolweni ka-Yosefu.
24 Watî u-Yosefu kubakuluwa bakê, Ndiza kuſa; u-Tîxo okunene uya kunivelela, aninyuse, nipûme kwelilizwe, niye ezweni abelifungele u-Abraham no-Isake no-Yakobi.
25 U-Yosefu wabafungisa onyana baka-Sirayeli, esiti, U-Tîxo okunene eya kunivelela nje, nowanyusa amatâmbô am, emke apâ.
26 Wafa-ke u-Yosefu engominyaka ilikûlu linashumi-nye; bamqôla; wafakwa etyeyeni e-Yiputa.

[1] Isijwili sama-Yiputa.

Digitized by Google

INCWADI YESIBINI KA-MOSES,

LEYO KUTIWA

YI-EKSODUS.

ISIQENDU I.

NGAWO la-ke amagama onyana baka-Sirayeli, ababefikē e-Yiputa no-Yakobi; beza elowo nendlu yakê:

2 U-Ruben, u-Simon, u-Levi no-Yuda;

3 U-Isakare, u-Zebulon no-Benyamin;

4 U-Dan no-Naftali, u-Gadi no-Ashere.

5 Iyonke imipêfumlo eyapûmayo etângeni lika-Yakobi yayiyimipêfumlo emashumi asixénxe; u-Yosefu yena ube sele se-Yiputa.

6 Wafa-ke u-Yosefu nabazalwana bakê bonke, nesosizukulwana sonke.

7 Onyana baka-Sirayeli baqâma, banyakazela, bānda, banamandla kakûlu kunene; lazala ilizwe ngabo.

8 Kwavela ukumkani omtsha pêzu kwe-Yiputa owayengamazi u-Yosefu.

9 Watî ebantwini bakê, Yabonani, abantu onyana baka-Sirayeli baninzi, banamandla kunatî.

10 Yizani, sibalumkise hleze bānde; batî, xenikweni kutê kwehla imfazwe, batêlele nabo kwintshaba zetû, balwe natî, banyuke bapûme ezweni.

11 Bamisa-ke pêzu kwabo abatêtêli bokubafaka uviko, ukuze babacinezele ngemitwalo yabo; bamakêla-ke u-Faro imizi enovimbâ i-Pitom ne-Rameses.

12 Okukôna babacinezelayo, kokukôna bāndayo, kokukôna bapângalalayo; baruquka ngabo onyana baka-Sirayeli.

13 Ama-Yiputa-ke abakônzisa onyana baka-Sirayeli ngokutyumzayo;

14 Abenza barara ubomi babo ngomsebenzi olukûni, ngodaka nangezi-tena, nangentlobo zonke zomsebenzi wasendle; yonke imisebenzi abasetyenziswa yona yayiyetyumzayo.

15 Kekaloku ukumkani wase-Yiputa watêtâ kubazalisikazi abangama-Heberekazi, igama lomnye lingu-Shifra, igama lomnye lingu-Puwa,

16 Watî, Ekuzaliseni kwenu ama-Heberekazi kângelani xa azalayo: ukuba itê yayinkwenkwe, noyibulala; ukuba itê ya yintombî, yodla ubomi.

17 Abazalisikazi boyika u-Tîxo, abenza ngoko watêtâ ngako kubo ukumkani wase-Yiputa, bawasindisa amakwênkwe.

18 Wababiza ukumkani wase-Yiputa abazalisikazi, watî kubo, Kunganina ukuba nenze lento yokuwasindisa amakwênkwe?

19 Bati abazalisikazi ku-Faro, Ama-Heberekazi akanjengabafazi bama-Yiputa, kuba omelele; azala engekangeni kuwo umzalisikazi.

20 Ngoko u-Tîxo wabenzela okulungileyo abazalisikazi. Bānda abantu, banamandla kakûlu.

21 Kwati, kuba abazalisikazi babemoyika u-Tîxo wazisikelela izindlu zabo.

22 U-Faro wabawisela umtêtô abantu bakê bonke, watî, Bonke onyana abatê bazalwa, bapôseni emlanjeni; ke zonke intombî zisindiseni.

2 Kwapûma umfo wendlu ka-Levi, wazeka intombî yakwa-Levi.

2 Wamitâ umfazi-lowo, wazala unyana; wambona ukuba mhle, wamfihla inyanga ezintatû.

3 Watî, akuba engasenako ukumfihla, wamtâbatêla umkômbê wemikânzi, wawutyabeka nge-asfalto netywina, wamfaka kuwo umntwana, wawubeka engcotyeni, elunxwemeni lomlambô.

4 Udade wabo wema mgama, ukuze ayazi into eya kwenzeka kuye.

5 Yehla-ke intombî ka-Faro isiya kuqubâ emlanjeni; baye abakônzazana bayo behambâ ngasecaleni lomlambô. Yabona umkômbê engcotyeni pâkatî, yatûma umkônzazana wayo, ukuba aye kuwutâbatâ.

Digitized by Google

6 Yawunqika, yambona umntwana; nantso inkwenkwana ilila. Yanofefe ngayo, yatî, Ngumntwana wama-Hebere lo.

7 Watî udade wabo kwintombî ka-Faro, Ndiye kukubizela-na umfazi wama-Hebere onokwanyisa, akwanyisele umntwana?

8 Yatî intombî ka-Faro kuye, Yiya. Yaya-ke intombî-leyo, yabiza unina womntwana.

9 Yatî intombî ka-Faro kuye, Tâbatâ lomntwana, umanyise, ndokunika umvuzo wakô mna. Umfazi-lowo wamtâbatâ umntwana, wamanyisa.

10 Wakûla umntwana, wamsa-ke kwintombî ka-Faro, waba ngunyana wayo; yamtîya igama elingu-Moses,[1] yatî, Ndamfola emanzini.

11 Kwatî-ke ngalomihla, akukûla u-Moses, wapûma waya kubazalwana bakê, ekângela imitŵalo yabo; wabona um-Yiputa ebetâ um-Hebere wakubazalwana bakê.

12 Wabêkabêka, watî akuba engaboni mntu, wamtî-qwaka um-Yiputa, wamselela entlabatini.

13 Wapûma ngemini yesibini; wabona ama-Hebere emabini entlalana; watî kowône omnye, Yinina ukuba umbetê uwenu?

14 Watî yena, Umiswe ngubanina ukuba ube ngumtêtêli nomgwebi pezu kwetû? Uza kundibulala-na nam usitsho-nje njengokuba umbulele um-Yiputa. Woyika u-Moses, watî, Mayibe lento iyaziwa.

15 U-Faro wayiva lento, wafuna ukumbulala u-Moses. Wabaleka u-Moses wemka kwa-Faro, waya kuma ezweni lakwa-Midiyan, wahlala pântsi ngasequleni.

16 Kekaloku umenzeleleli wakwa-Midiyan waye nentombî ezisixènxe; zeza kuká amanzi, zayizalisa imikûmbî ukuba ziseze impahl' emfutshane yoyise.

17 Bafika abalûsi, bazigxota. Wesuka u-Moses, wazinceda, wayiseza impahla yazo emfutshane.

18 Zakûfika ku-Rehuweli uyise, watî, Niténina namhla-nje ukuhle nifike?

19 Zatî, Sihlangulwe ngum-Yiputa esandleni sabalûsi; kanjalo wasikêlela amanzi, wayiseza impahl' emfutshane.

20 Watî ezintombîni zake, Upina? Nimshiyele-nina umntu-lowo? Mbizeni, adle isonka.

21 Wakôlwa u-Moses kukuhlala nalondoda. Yamnika u-Moses u-Tsipora intombî yayo.

22 Yazala unyana, wamtîya igama elingu-Gershom,[1] kuba ubesiti, Ndingumpâmbûkeli ezweni lolunye uhlanga.

23 Kwatî emva kwalomihla mininzi wafa ukumkani wase-Yiputa. Bancwina onyana baka-Sirayeli ngenxa yomsebenzi, bakâla; kwenyuka ukuzibika kwabo kwaya ku-Tîxo ngenxa yomsebenzi.

24 Wakuva u-Tîxo ukugula kwabo, wawukûmbûla u-Tîxo umnqopîso wakê no-Abraham no-Isake no-Yakobi.

25 U-Tîxo wababona onyana baka-Sirayeli, wabazi u-Tîxo.

3 Kekaloku u-Moses wayesalûsa impahl' emfutshane ka-Yitro uyise womkakê, umenzeleleli wakwa-Midiyan, wayiqûbela elé kwentlango, wafika entabeni ka-Tîxo e-Horebe.

2 Kwabonakala isitûnywa sika-Yehova kuye siselangatyeni lomlilo, etŷolweni pâkatî; wakângela, wabona itŷolo lisitsha ngumlilo, noko lingade litshe.

3 Watî u-Moses, Makê ndityeke ndiye kubona lombono mkûlu; ukuba kutê-nina ukuba itŷolo lingatshi.

4 Wabona u-Yehova, ukuba utyekile esiza kubona, u-Tîxo wabiza esetyolweni pâkatî, watî kuye, Wa Moses, wa Moses. Watî yena, Ndikô.

5 Watî, Mus' ukusondela apâ. Kûlula imbâdada zako ezo ezinyaweni zakô, kuba londawo umi kuyo ingumhlaba ongcwele.

6 Watî, Ndingu-Tîxo woyihlo, u-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi. Wabusitêlisa u-Moses ubuso bakê, kuba ebesoyika ukukângela ku-Tîxo.

7 Watî u-Yehova, Ndizibonile okunene intsizi zabantu bam abase-Yiputa, nokukâla kwabo ndikuvile, ngenxa yabo babaqûba kalukûni; kuba ndiyawazi umvandedwa wabo.

8 Ndihlile-ke, ndizê kubahlangula esandleni sama-Yiputa, ndibanyuse bapûme kwelolizwe, baye ezweni elilungileyo elibanzi, ezweni elinamasi nobusi, endaweni yama-Kanan, nama-Hiti, nama-

[1] U-Mfolwa.

[1] U-Mgxotwa.

Digitized by Google

Amori, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi.

9 Ngoku-ke nanku ukukâla konyana baka-Sirayeli kufikile kum; kananjalo ndikubonile ukuxina abaxine ngako ama-Yiputa.

10 Hambâ ngoku, ndikutûme ku-Faro, ubakûpê e-Yiputa abantu bam onyana baka-Sirayeli.

11 Watî u-Moses ku-Tîxo, Ndingubanina ukuba ndingade ndiye ku-Faro, ukuba ndibakûpê e-Yiputa onyana baka-Sirayeli?

12 Watî, Ndiya kuba nawe, Nangu umqondiso wokuba ndikutûmile mna: ekubakûpêni kwakô abantu e-Yiputa niya kumkônza u-Tîxo kulentaba.

13 Watî u-Moses ku-Tîxo, Uyabona, ukuba ndiya konyana baka-Sirayeli, nditî kubo, U-Tîxo woyihlo unditûmile kuni, baze batî kum, Ngubanina igama lakê? ndotî-nina kubo?

14 Watî u-Tîxo ku-Moses, NDINGUYE ENDINGUYE. Watî, Wotsho konyana baka-Sirayeli ukutî, UNDINGUYE unditûmile kuni.

15 Wapînda watî u-Tîxo ku-Moses, Wotî konyana baka-Sirayeli, U-Yehova, u-Tîxo woyihlo, u-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi unditûmile kuni: ligama lam elo ngonapâkade, sikûmbûzo sam eso kwizizukulwana ngezizukulwana.

16 Yiya uhlanganise amadoda amakûlu akwa-Sirayeli, utî kuwo, U-Yehova u-Tîxo woyihlo, u-Tîxo ka-Abraham, ka-Isake, ka-Yakobi ubonakele kum, 'watî, Ndinivelele nina, nalonto niyenziweyo e-Yiputa.

17 Ndati, Ndiya kuninyusa nipûme ezintsizini zase-Yiputa, niye ezweni lama-Kanan, nama-Hiti, nama-Amori, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi, ezweni elinamasi nobusi.

18 Bolipûlapûla ilizwi lakô; uz'uye-ke wena namadoda amakûlu akwa-Sirayeli kukumkani wase-Yiputa, nitî kuye, U-Yehova u-Tîxo wama-Hebere uhlangene natî; ngoku makê sihambê entlango uhambo lwentsuku ezintatû, sibingelele ku-Yehova u-Tîxo wetû.

19 Ke mna ndiyazi, ukuba ukumkani wase-Yiputa akayi kunivumela ukuba nihambê, nokuba sekungesandla esitê-nqi.

20 Ndiya kusolula isandla sam, ndiyibetê i-Yiputa ngemisebenzi yam yonke ebalulekileyo, endiya kuyenza pâkatî kwayo, andule-ke ukunindulula.

21 Ababantu ndiya kubababala pâmbî kwama-Yiputa; kutî, xa nitê nemka, ningemki nizê.

22 Intokazi iya kucela kwengummelwane wayo, nakwengumpâmbûkeli endlwini yayo, impahla ye-silivere, nempahla ye-golide, nengubo, nizinxibe onyana benû nentombî zenu, niwapânge ama-Yiputa.

4 Wapêndula u-Moses watî, Uyabona, abayi kukôlwa ndim, abayi kulipûlapûla izwi lam; kuba baya kutî, U-Yehova akabonakalanga kuwe.

2 Watî u-Yehova kuye, Yinto-nina lonto isesandleni sako? Watî, Yintonga.

3 Watî, Yipôse emhlabeni; wayipôsa emhlabeni, yasuka yaba yinyoka; wayibaleka u-Moses.

4 Watî u-Yehova ku-Moses, Solule isandla sakô, uyibambe ngomsila; (wasolula isandla sakê, wayibambâ, yasuka yaba yintonga esandleni sakê;)

5 Ukuze bakôlwe ukuba u-Yehova u-Tîxo woyise, u-Tîxo ka Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi ubonakele kuwe.

6 Wapînda u-Yehova watî kuye, Kâusifake isandla sakô esifubeni sakô. Wasifaka isandla sakê esifubeni sakê. Akusifola isandla sakê naso sineqênqa, simhlope njengekêpû.

7 Watî, Sibuyisele isandla sakô esifubeni sakô. Wasibuyisela isandla sakê esifubeni; wasifola esifubeni sakê, naso sibuye saba njengenyama yakê.

8 Kotî, ukuba abatânga bakôlwe nguwe, abalipûlapûla izwi lowokuqala umqondiso, bakôlwe lizwi lomqondiso wamva.

9 Kotî, ukuba abatânga bakôlwe nayilemiqondiso mibini, abalipûlapûla nezwi lakô, utâbatê amanzi omlambô, uwapâlazele emhlabeni owomileyo, osuka amanzi owatâbatîleyo emlanjeni abe ligazi emhlabeni owomileyo.

10 Watî u-Moses ku-Yehova, Camagu, Nkosi yam, andindoda imazwi maninzi nanini naoko watêtâyo kumkônzi wakô lo; kuba ndingokutêtâ kunzima, ndikwanzima nolwimi.

11 Watî u-Yehova kuye, Ngubanina obeke umlomo emntwini? Ngubanina

Digitized by Google

owenze isidenge, nesitûlu, nobonayo, nemfama? Asindim-na, mna Yehova?

12 Ngoko-ke hambâ, ndoba nomlomo wakô mna, ndikubonise into oya kuyitétâ.

13 Watî yena, Camagu, Nkosi yam, Kâutûme ngesandla salowo womtûma.

14 Wavutâ umsindo ka-Yehova ku-Moses watî, Akanguye-na umkûluwa wakô u-Aron um-Levi? Ndiyazi ukuba; yena uyakwazi ukutétâ. Kananjalo nanko yena epûma eza kukukâulela; wokubona, avuye entliziyweni yakê.

15 Wotétâ kuye, ubeke amazwi emlonyeni wakê; mna ndoba nomlomo wakô nomlomo wakê, ndinibonise into eniya kuyenza.

16 Yena wokutétêla ebantwini, atî yena abe ngumlomo kuwe, utî wena ube ngu-Tîxo kuye.

17 Ke lentonga yipâtê ngesandla sakô, uya kwenza ngayo imiqondiso-leyo.

18 Wahambâ-ke u-Moses, wabuyela ku-Yitro uyise womkakê, watî kuye, Makê ndihambê ndibuyele kubazalwana bam abase-Yiputa, ndibone ukuba basahleli-na. Watî u-Yitro ku-Moses, Hambâ ngoxolo.

19 U-Yehova watî ku-Moses kwa-Midiyan, Hambâ ubuyele e-Yiputa; kuba afile onke amadoda abezonda ubomi bakô.

20 U-Moses watâbatâ umkakê nonyana bakê, wabakwelisa e-esileni, wabuyela ezweni lase-Yiputa; wayipâtâ u-Moses intonga ka-Tîxo ngesandla sakê.

21 Watî u-Yehova ku-Moses, Ekuhambêni kwakô ubuyela e-Yiputa, uz'ukângele, ukuba uzenze pâmbî ko-Faro zonke izimanga, endizibeke esandleni sako. Ke mna ndiya kuyenza lukûni intliziyo yakê, angabandululi abantu.

22 Wotî ku-Faro, Utsho u-Yehova ukutî. Unyana wam wamazibulo ngu-Sirayeli;

23 Nditî kuwe, Mndulule unyana wam lowo, andikônze; walile-nje ukumndulula, uyabona, ndombulala unyana wakô, amazibulo akô.

24 Kwatî endleleni apô balalisa kôna, u-Yehova wamhlangabeza, wafuna ukumbulala.

25 U-Tsipora watâbatâ intshengece, wanqumla ijwabu lonyana wakê, walipôsa ezinyaweni zakê, watî, Ungumyeni wamagazi kum.

26 Wamyeka-ke. Watsho oko ukuti, Ungumyeni wamagazi ngenxa yolwaluko.

27 Watî u-Yehova ku-Aron, Hambâ uye kukâulela u-Moses entlango. Waya-ke, wamhlangabeza entabeni ka-Tîxo, wamânga.

28 U-Moses wamxelela u-Aron onke amazwi ka-Yehova abemtûme wona, nemiqondiso yonke abemwisele umtétô ngayo.

29 Wahambâ u-Moses no-Aron, bawahlanganisa onke amadoda amakûlu onyana baka-Sirayeli.

30 Wawatétâ u-Aron onke amazwi abewatétîle u-Yehova ku-Moses, wayenza nemiqondiso pâmbî kwabantu.

31 Bakôlwa abantu, beva ukuba u-Yehova ubavelele onyana baka-Sirayeli, wazibona intsizi zabo, batôba baqubuda.

5 Emveni koko beza o-Moses no-Aron, batî ku-Faro, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Bandulule abantu bam, bandenzele umtêndeleko entlango.

2 Watî u-Faro, Ngubani-na u-Yehova, ukuba ndipûlapûle izwi lakê, lokuba ndindulule u-Sirayeli? Andimazi u-Yehova, kananjalo andiyi kumndulula u-Sirayeli.

3 Batî-ke, U-Tîxo wama-Hebere uhlangene natî; makê sihambê entlango uhambô lwentsuku ezintatû, sibingelele ku-Yehova u-Tîxo wetû, hleze asiqwele ngendyikitya yokufa nangerele.

4 Watî ukumkani wase-Yiputa kubo, Yinina, nina Moses no-Aron, ukuba nibakûlule abantu emisebenzini yabo? Yiyani emitwalweni yenu.

5 Watî u-Faro, Yabonani, baninzi abantu belizwe ngoku, ke nina niya bapûmza emitwalweni yabo.

6 U-Faro wabawisela umtétô abapâtî nabaqûbi kalukûni babantu, ngalomini esitî,

7 Ize ningabi sabanika abantu umququ wokwenza izi-tena njengokwangapâmbîli; mabaye ngokwabo, bazibutêle umququ;

8 Nenani lezi-tena ababelenza njengokwangapâmbîli bamiseleni lona, ize ningalincipisi, kuba bayahiliza; kukô lento bakâlayo, besitî, Masiye kubingelela ku-Tîxo wetû.

9 Maube nzima umsebenzi pêzu kwamadoda, asebenze wona, angapûlapûli amazwi obuxoki.

Digitized by Google

10 Bapûma-ke abapâtî nabaqûbi kalukûni babantu, batêtâ ebantwini batî, Utsho u-Faro ukutî, Andikuninika mququ;
11 Yiyani nina, nizitâbatêle umququ apò ningawufumana kôna; kuba akuyi kuncitshiswa nto emsebenzini wenu.
12 Bapâlazeka abantu ezweni lonke lase-Yiputa, babutâ indiza endaweni yomququ.
13 Abaqûbi kalukûni babantu babanxâmisa, besitî, Yisebenzeni imisebenzi yenu, into yemini ngangemini yayo, ngangokuya naninomququ.
14 Babetŵa-ke abapâtî bonyana baka-Sirayeli, ababemiswe pêzu kwabo ngabaqûbi kalukûni babantu baka-Faro, kusitîwa, Kungatûba linina ukuba ningagqibi ukwenza izi-tena enizimiselweyo, izolo nanamhla njengokwangapâmbîli?
15 Baya abapâtî bonyana baka-Sirayeli, bakâla ku-Faro, besitî, Yinina ukuba wenje nje kubakônzi bako?
16 Abakônzi bakô aba abanikwa mququ; kutiwa-ke kutî, yenzani izi-tena; yabona, abakônzi bakô aba bayabetŵa, kanti kôna abantu bakô abo.
17 Watî, kuhiliza nina, niyahiliza, kukô lento nitî, Masiye sibingelele ku-Yehova.
18 Yiyani-ke ngoku, nisebenze; aniyi kunikwa mququ, ke lona inani lezi-tena niya kulifola.
19 Babona abapâtî bonyana baka-Sirayeli ukuba bâsebubini, kusitîwa-nje, Aniyi kuncipîsa nto ezi-teneni zenu, kwinto yemini ngangemini yayo.
20 Baqubisana no-Moses no-Aron, beza kubo ekupûmeni kwabo ku-Faro.
21 Batî kubo, U-Yehova makanikângele, agwebe; ekubeni nilinukisile ivumbâ letû pâmbî ko-Faro na pâmbî kwaba kônzi bakê, ukuba kubekwe ifele lokusibulala esandleni sabo.
22 Wabuyela ku-Yehova u-Moses esitî, Nkosi yam, yinina ukuba ubapâtê kakubi ababantu? yinina lento utûme mna?
23 Kususela koko ndangenayo ku-Faro nditêtâ ngegama lakô, yena ubapêtê kakubi ababantu; akubahlangulanga nokubahlangula abantu bakô.

6 Watî u-Yehova ku-Moses. Uya kukubona ngoku endiya kukwenza ku-Faro, kuba uya kubandulula abagxote ezweni lakê ngesandla esitê-nqi.

2 Watêtâ u-Tîxo ku-Moses, watî kuye, Ndingu-Yehova;
3 Ndabonakala ku-Abraham naku-Isake naku-Yakobi ngelokuba ngu-Tîxo u-Somandla; ke ngegama lam lokuba-Yehova andâzekanga kubo.
4 Kananjalo ndawumisa nabo umnqopîso wam wokuba ndibanike ilizwe lakwa-Kanan, ilizwe lokupâmbûkela kwabo abapâmbûkela kulo.
5 Kananjalo ndikuvile mna ukugula konyana baka-Sirayeli abakônziswayo ngama-Yiputa, ndawukûmbûla umnqopîso wam.
6 Yitî ngoko konyana baka-Sirayeli, Ndingu-Yehova; ndiya kunikûpâ pântsi kwemitŵalo yama-Yiputa, ndinihlangule enkonzweni yawo, ndinihlaulele ndinikûlule ngengalo eyolulweyo nangezigwebo ezikûlu;
7 Ndinitâbatê nibe ngabantu bam, ndibe ngu-Tîxo wenu; nazi ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, onikûpâyo pântsi kwemitŵalo yama-Yiputa;
8 Ndiningenise ezweni endapâkamisa isandla sam ngalo, ukuba ndilinike u-Abraham no-Isake no-Yakobi, ndiya kulinika nina libe lilifa: ndingu-Yehova.
9 Watsho-ke u-Moses konyana baka-Sirayeli; abampûlapûlanga u-Moses ngenxa yokukâtâzeka nangenxa yomsebenzi onzima.

10 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watî,
11 Yiya utêtê ku-Faro ukumkani wase-Yiputa, abandulule onyana baka-Sirayeli, bapûme ezweni lakê.
12 U-Moses watêtâ pâmbî ko-Yehova, watî, Yabona, onyana baka-Sirayeli abandipûlapûlanga; wotî-nina-ke u-Faro ukundipûlapûla, ndingomlomo ungalukanga-nje?
13 Watêtâ U-Yehova ku-Moses naku-Aron, wabawisela umtêtô onyana baka-Sirayeli, naku-Faro ukumkani wase-Yiputa, ukuba babakûpê onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa.

14 Zizo ezi intloko zezindlu zoyise: onyana baka-Ruben, amazibulo ka-Sirayeli, ngu-Hanoki, no-Falu, ngu-Hetseron no-Karmi; yiyo leyo imizalwane yakwa-Ruben.
15 Onyana baka-Simon ngu-Yemuweli, no-Yamin, no-Ohadi, no-Yakin, no-Tso-

Digitized by Google

hare, no-Shaule unyana wom-Kananekazi; yiyo leyo imizalwane yakwa-Simon.

16 Ngawo la amagama onyana baka-Levi ngenzala yabo; u-Gershon, no-Kehati, no-Merari. Iminyaka yobudala buka-Levi yayiyiminyaka elikûlu elinamanci matâtû anesixênxe.

17 Onyana baka-Gershon ngu Libeni, no-Shimehi ngokwemizalwane yabo.

18 Onyana baka-Kehati ngu-Amram, no-Itsare, no-Hebron, no-Uziyeli. Iminyaka yobudala buka-Kehati yayiyiminyaka elikûlu elinamanci matâtû anamitâtû.

19 Onyana baka-Merari ngu-Maheli no-Mushi; yiyo leyo imizalwane yakwa-Levi ngenzala yabo.

20 U-Amram wazeka u-Yokebede udade boyise, wangumkakê; wamzalela u-Aron no-Moses. Iminyaka yobudala buka-Amram yayiyiminyaka elikûlu elinamanci matâtû anesixênxe.

21 Onyana baka-Itsare ngu-Kora, no-Nefege, no-Zikri.

22 Onyana baka-Uziyeli ngu-Mishaheli, no-Elitsafan, no-Zitri.

23 U-Aron wazeka u-Elisheba intombî ka-Aminadabi, udade bo-Nashon, wangumkakê; wamzalela u-Nadabi, no-Abihu, no-Elazare, no-Itamare.

24 Onyana baka-Kora ngu-Azire, no-Elikana, no-Abiyazafu; yiyo leyo imizalwane yama-Kora.

25 U-Elazare unyana ka-Aron wazeka umfazi ezintombini zika-Putiyeli; wamzalela u-Pinehasi. Zizo ezi intloko zezindlu zoyise zaba-Levi, ngokwemizalwane yabo.

26 Ngula-Aron no-Moses, u-Yehova watî kubo, Bakûpêni onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa ngokwemikôsi yabo.

27 Ngabo abo batêtâyo ku-Faro ukumkani wase-Yiputa, ukuba abakûpê onyana baka-Sirayeli e-Yiputa; ngabo-Moses no-Aron.

28 Kwatî, mhlana watêtâyo u-Yehova ku-Moses ezweni lase-Yiputa,

29 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watî, Ndingu-Yehova; têtâ ku-Faro ukumkani wase-Yiputa zonke izinto endizitêtâyo kuwe.

30 Watî u-Moses pâmbî ko-Yehova, Yabona, ndingomlomo ungalukanga, wotînina u-Faro ukundipûlapûla?

7 Watî u-Yehova ku-Moses, Kângela, ndikwenze utîxo ku-Faro; ke u-Aron umkûluwa wakô woba ngum-profeti wakô.

2 Wena wotêtâ zonke izinto endikuwisele umtêtô ngazo; ke u-Aron umkuluwa wakô wotêtâ ku-Faro, aze abandulule onyana baka-Sirayeli ezweri lakê.

3 Ke mna ndiya kuyiqaqadekisa intliziyo ka-Faro, ndiyandise imiqondiso yam nezimanga zam ezweni lase-Yiputa.

4 Akayi kunipûlapûla u-Faro, ke mna i-Yiputa ndiya kuyisa isandla, ndiyikûpê imikôsi yam, abantu bam, onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa ngezigwebo ezikûlu;

5 Azi ama-Yiputa ekusoluleni kwam isandla sam pêzu kwe-Yiputa, ukuba ndingu-Yehova, ndibakûpê onyana baka-Sirayeli pâkatî kwawo.

6 Wenza-ke u-Moses no-Aron; ngoko u-Yehova wabawisela umtêtô ngako, benje njalo.

7 U-Moses ube minyaka imashumi asibôzo ezelwe, no-Aron ube minyaka imashumi asibôzo anamitâtû ezelwe, ukutêtâ kwabo ku-Faro.

8 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, watî,

9 Xa atê u-Faro watêtâ kuni, esitî, Ndiboniseni isimanga, wotî wena ku-Aron, Tâbatê intonga yakô uyipôse pâmbî ko-Faro, yoba yinyoka.

10 Wangena u-Moses no-Aron ku-Faro; benza njengoko u-Yehova wabawisela umtêtô, u-Aron wayipôsa intonga yakê pâmbî ko-Faro napâmbî kwabakônzi bakê, yaba yinyoka.

11 Naye u-Faro wazibiza izilumko nabakâfuli; zenje njalo nezazi ezo zase-Yiputa ngobugqi bazo.

12 Elowo wapôsa pântsi intonga yakê, zaba zinyoka; yasuka intonga ka-Aron yaziginya intonga zabo.

13 Yaba lukûni intliziyo ka-Faro; akabapûlapûla, njengoko wayetshilo u-Yehova.

14 Watî u-Yehova ku-Moses, Intliziyo ka-Faro iqaqadekile, akavumi ukubandulula abantu.

15 Yiya ku-Faro kusasa, nanko epûma esiya emanzini; uz'ume elunxwemeni lomlambô malunga naye; intonga eya-

Digitized by Google

guqukayo yaba yinyoka yipâtê esandleni.

16 Uz'utî kuye, U-Yehova u-Tixo wama-Hebere unditûme kuwe, esitî, Bandulule abantu bam baye kundikônza entlango; yabona-ke akupûlapûlanga unangoku.

17 Utsho u-Yehova ukutî, Uya kwazi ngalento-ke ukuba ndingu-Yehova. Yabona, ndiya kubetâ ngentonga esesandleni sam emanzini omlambô, aguqulwe abe ligazi,

18 Zife intlanzi ezisemlanjeni, unuke umlambô, ama-Yiputa abe nesicapûcapû akuwasela amanzi omlambô.

19 Watî u-Yehova ku-Moses, Yitî ku-Aron, Tâbatâ intonga yakô, wolule isandla sako pêzu kwamanzi ase-Yiputa, pêzu kwemilambô yabo, napêzu kwemijelo yabo, napêzu kwamacîbi abo, napêzu kwentlangano zonke zamanzi abo, abe ligazi, ibe ligazi ezweni lonke lase-Yiputa, nasemipândeni yemitî neyamatye.

20 O-Moses no-Aron benza njengoko u-Yehova wabawisela umtêtô; wayipâkamisa intonga, wawabetâ amanzi omlambô pâmbî ko-Faro napâmbî kwabakônzi bakê; aza aguquka onke amanzi omlambô aba ligazi.

21 Zafa intlanzi ezisemlanjeni, wanuka umlambô, akabi nakô ama-Yiputa ukuwasela amanzi omlambô; laligazi ezweni lonke lase-Yiputa.

22 Zenje njalo-ke nezazi zase-Yiputa ngobugqi bazo. Yaba lukûni intliziyo ka-Faro, akabapûlapûla, njengoko wayetshilo u-Yehova.

23 Wajika u-Faro, waya endlwini yakê, akayibekela ntliziyo nale into.

24 Onke ama-Yiputa embâ amanzi okusela ngenxa zonke emlanjeni; kuba ebenge nakuwasela amanzi omlambô.

25 Kwazaliseka isixênxe sentsuku emveni kokuwubetâ kwakê u-Yehova umlambô.

8 Watî u-Yehova ku-Moses, Yiya ku-Faro, utî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Bandulule abantu bam, baye kundikônza.

2 Ke ukuba utê akwavuma ukubandulula, uyabona, ndoyibetâ yonke imida yakô ngamasele;

3 Umlambô unyakazele amasele, anyuke, angene endlwini yakô nasesililini sakô, napêzu kwesinqênqêlo sakô, nasendlwini yabakônzi bakô, nasebantwini bakô, nasezimbîzeni zako, nasemikûmbini yakô yentlama;

4 Anyuke amasele lawo, eze nakuwe, nakubantu bakô, nakubakônzi bako bonke.

5 Watî u-Yehova ku-Moses, Yitî ku-Aron, Yolula isandla sako eso sinentonga yakô pêzu kwemilambô, napêzu kwemijelo, napêzu kwamacîbi, unyuse amasele pêzu kwelizwe lase-Yiputa.

6 Wasolula-ke u-Aron isandla sakê pêzu kwamanzi ase-Yiputa; enyuka amasele, aligubungela ilizwe lase-Yiputa.

7 Zenje njalo nezazi ngobugqi bazo, zawanyusa amasele pezu kwelizwe lase-Yiputa.

8 U-Faro wabiza u-Moses no-Aron, watî, Mtândazeni u-Yehova, awasuse amasele kum nasebantwini bam, ndobandulula abantu, baye kubingelela ku-Yehova.

9 Watî u-Moses ku-Faro, Zizukise ngokundimisela ixesha lokuba ndikutândazele nini-na, wena nabakônzi bakô, nabantu bakô, anqunyulwe amasele kuwe nakwindlu yakô, asale emlanjeni wodwa?

10 Wati yena, Ngomso. Watî-ke, Makube ngokwelizwi lakô, ukuze wazi ukuba akukô unjengo-Yehova u-Tixo wetû;

11 Asuke amasele kuwe, nakwizindlu zakô, nakubakônzi bakô, nakubantu bakô; asale emlanjeni wodwa.

12 Bapûma-ke o-Moses no-Aron ku-Faro, Wadanduluka u-Moses ku-Yehova ngendawo yamasele abewabeke pêzu ko-Faro.

13 Wenza u-Yehova ngokwelizwi lika-Moses. Afa amasele ezindlwini, nasezintendelezweni, nasemasimini.

14 Bawahlanganisa azimfumbâ ngemfumbâ; lanuka ilizwe.

15 Utê-ke u-Faro akuba netûbâ lokupêfumla, wayenza lukûni intliziyo yakê, akabapûlapûla, njengoko watshoyo u-Yehova.

16 Watî u-Yehova ku-Moses, Yitî ku-Aron, Yolula intonga yakô, ulubetê utûli lwelizwe lube zingcongconi ezweni lonke lase-Yiputa.

17 Benje njalo. Wasolula u-Aron isandla sakê eso sinentonga yakê, walubetâ utûli lwelizwe, lwaba zingcongconi eba-

Digitized by Google

ntwini nasezinkomeni. Lonke utûli lwelizwe lwaba zingcongconi ezweni lonke lase-Yiputa.

18 Zenje njalo nezazi ngobugqi bazo, ukuba zivelise ingcongconi, azabi nakô. Kwakô ingcongconi ebantwini nasezinkomeni.

19 Zati izazi ku-Faro, Ngumnwe ka-Tixo. Yaba lukûni intliziyo ka-Faro, akabâpûlapûla, njengoko watshoyo u-Yehova.

20 Watî u-Yehova ku-Moses, Vuka kusasa ngomso, ume pâmbî ko-Faro, nanko epûma esiya emanzini, utî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Bandulule abantu bam, baye kundikônza.

21 Okanye ukuba utê akwabandulula abantu bam, yabona, nditûma izibawu kuwe, nakubakônzi bakô, nakubantu bakô, nasezindlwini zakô, zizale izindlu zama-Yiputa zizibawu, nomhlaba akuwo;

22 Ndilibalule ngalomini lona ilizwe lase-Goshen, abemi kulo abantu bam, kungabikô zibawu kôna, ukuze wazi ukuba ndingu-Yehova pâkatî kwelizwe;

23 Ndimise inkululo pâkatî kwabantu bam nabantu bakô; lomqondiso uya kubakô ngomso.

24 Wenje njalo u-Yehova. Kweza izibawu ezininzi endlwini ka-Faro, nasezindlwini zabakônzi bakê, nasezweni lonke lase-Yiputa; lonakala ilizwe zizibawu.

25 U-Faro wabiza u-Moses no-Aron, watî, Yiyani nibingelele ku-Tixo wenu kweli lizwe.

26 Watî u-Moses, Akulungisile ukwenje njalo; kuba soba sibingelela amasikizi ama-Yiputa ku-Yehova u-Tixo wetû; ukuba sitê sabingelela into engamasikizi kuma-Yiputa pâmbî kwawo, osixuluba ngamatye.

27 Siya kuhambâ uhambô lwentsuku ezintatû entlango, sibingelele ku-Yehova u-Tixo wetû, njengoko woti asiyalele.

28 Watî u-Faro, Ndiya kunindulula nina, niye kubingelela ku-Yehova u-Tixo wenu entlango, kodwa ize ningahambî niye kude; nditândazeleni.

29 Watî u-Moses, Yabona, ndiyakupûma kuwe, nditândaze ku-Yehova, zimke izibawu ku-Faro, nakubakônzi bakê, nakubantu bakê ngomso, kodwa makangapîndi u-Faro akôhlise ngokungabandululi abantu, baye kubingelela ku-Yehova.

30 Wemka u-Moses, watândaza ku-Yehova.

31 Wenza u-Yehova ngokwelizwi lika-Moses, wazisusa izibawu ku-Faro, nakubakônzi bakê, nakubantu bakê; akwasala nasinye.

32 U-Faro wayiqaqadekisa intliziyo yakê; nangesisihlandlo, akabandulula abantu.

9 Watî u-Yehova ku-Moses, Yiya ku-Faro, utêtê naye, utî, Utsho u-Yehova u-Tixo wama-Hebere, ukutî, Bandulule abantu bam, baye kundikônza.

2 Okanye ukuba utê akwavuma ukubandulula, waba usababambile,

3 Yabona, isandla sika-Yehova soba semfuyweni yakô esendle, emahasheni, ema-esileni, ezin-kameleni, ezinkomeni, nasempahlen' emfutshane, senze indyikitya yokufa enzima kunene;

4 U-Yehova ayibalule imfuyo yama-Sirayeli kwimfuyo yama-Yiputa: akuyi kufa nto kuyo yonke eyonyana baka-Sirayeli.

5 U-Yehova umisê ixesha elitîle, watî, Ngomso u-Yehova uya kuyenza lento kwelilizwe.

6 Wayenza-ke u-Yehova lento ngengomso. Yafa yonke imfuyo yama-Yiputa, ke kweyonyana baka-Sirayeli imfuyo akufanga nanye.

7 U-Faro wâsusa umntu, O kweyama-Sirayeli imfuyo akufanga nokuba ibe nye. Yaqaqadeka intliziyo ka-Faro, akabandulula abantu.

8 Wati u-Yehova ku-Moses naku-Aron, Tâbatâni utûtû lweziko, nizalise izandla zozibini, u-Moses alupôse pêzulu esibâkabâkeni pâmbî ko-Faro,

9 Lube lutûli ezweni lonke lase-Yiputa, lube ngamatûmbâ atê-qwele ngamaqâkuva ebantwini, nasezinkomeni, ezweni lonke lase-Yiputa.

10 Balutâbatâ-ke utâtû lweziko, bema pâmbî ko-Faro; u-Moses walupôsa pêzulu esibâkabâkeni, lwaba ngamatûmbâ atê-qwele ngamaqâkuva ebantwini nasezinkomeni.

11 Azabi nakô izazi ukuma pâmbî ko-Moses ngenxa yamatûmbâ; kuba amatûmbâ abakô kwizazi nakuma-Yiputa onke.

12 U-Yehova wayenza lukûni intliziyo

Digitized by Google

ka-Faro, akabapûlapûla, njengoko watshoyo u-Yehova ku-Moses.

13 Watî u-Yehova ku-Moses, Vuka kusasa, ume pâmbî ko-Faro, utî kuye, Utsho u-Yehova u-Tîxo wama-Hebere, ukutî, Bandulule abantu bam, baye kundikônza.
14 Kuba ngesisihlandlo nditûma zonke izibetô zam entliziyweni yakô, nakubakônzi bakô, nakubantu bakô, ukuze wazi ukuba akukô unjengam emhlabeni wonke.
15 Kuba ngoku ukuba benditê ndasolula isandla sam, ndakubetâ wena nabantu bakô ngendyikitya yokufa, ngeutê-shwaka akwabikô emhlabeni.
16 Noko-ke ndikumisele elitûba lokuba ndiwabonakalalise amandla am kuwe, laziswe igama lam emhlabeni wonke.
17 Unangoku usazenza udonga kubantu bam, akubandululi.
18 Yabona, elixa ngomso ndiya kunisa isicôtô esinzima kunene, ekungazanga kubekô singangaso e-Yiputa, kususelakwimini eyasekwayo kude kube ngoku,
19 Tûmela ngoku, ukâuleze uhlanganise imfuyo yakô, nento zakô zonke onazo ezindle; bonke abantu nenkomo ezifunyenwe endle zingahlanganiselwanga ekâya, zohlelwa sicôto, zife.
20 Owaloyikayo ilizwi lika-Yehova kubakônzi baka-Faro, wabasabisela ezindlwini abakônzi bakê nemfuyo yakê.
21 Ongalibekelanga ntliziyo ilizwi lika-Yehova, wabayeka abakônzi bakê nemfuyo yakê endle.

22 Watî u-Yehova ku-Moses, Yolulela isandla sakô emazulwini, kubekô isicôtô ezweni lonke lase-Yiputa pêzu kwabantu, napêzu kwenkomo, napêzu kwemifuno yonke yasendle ezweni lonke lase-Yiputa.
23 U-Moses wayolulela intonga yakê emazulwini; u-Yehova watoba indudumo nesicôtô, nomlilo wehla weza emhlabeni. U-Yehova walinisela isicôtô ilizwe lase-Yiputa.
24 Kwabakô-ke isicôtô nomlilo obopêne pâkatî kwesicôtô, sinzima kunene, ekungazanga kubekô singangaso ezweni lonke lama-Yiputa, kususela oko aba luhlanga.
25 Isicôtô sayibetâ yonke into esendle ezweni lonke lase-Yiputa, kwatâbatêla emntwini kwasa enkomeni, sayibetâ isicôtô yonke imifuno yasendle, sayapûla yonke imitî yasendle.
26 Kodwa ezweni lase-Goshen, apô babe kôna onyana baka-Sirayeli, akubangakô sicôtô.
27 Watûma u-Faro, wabiza u-Moses no-Aron, watî kubo. Ndonile okwesisihlandlo. U-Yehova ulilungisa, ke mna nabantu bam asindawo.
28 Tândazani ku-Yehova; kwanele ukubakô kwendudumo zika-Tîxo nesicôtô, ndonindulula ningabi sahlala.
29 U-Moses watî kuye, Ekupûmeni kwam pâkatî komzi, ndozolulela ku-Yehova izandla zam, ziyeke indudumo nesicôtô singabi sabikô, ukuze wazi, ukuba umhlaba-lo ngoka-Yehova.
30 Ke wena nabakônzi bakô ndiyazi, ukuba anikwandule nimoyike u-Yehova u-Tîxo.
31 Yabûqwa i-flakisi ne-fasi, kuba i-fasi ibiselidubule, ne-flakisi ibiselityatyambîle.
32 Ke yona inqôlowa nezimbâ ayibûqwanga; kuba ibisencinane.
33 Wapûma u-Moses pâkatî komzi, wemka ku-Faro, wazolulela izandla zakê ku-Yehova, zayeka indudumo nesicôtô, yatûla imvula emhlabeni.
34 Wabona u-Faro ukuba ipêlile imvula nesicôtô nendudumo, wapînda wôna, wayiqaqadekisa intliziyo yakê, yena nabakônzi bakê.
35 Yaba lukûni-ke intliziyo ka-Faro, akabandulula onyana baka-Sirayeli, njengoko watshoyo u-Yehova ngo-Moses.

10 Watî u-Yehova ku-Moses, Yiya ku-Faro; kuba mna ndiyiqaqadekisile intliziyo yakê nentliziyo yabakônzi bakê, ukuze ndibonakalalise lemiqondiso yam pakâtî kwalo *ilizwe;*
2 Ukuze ubalise ezindlebeni zonyana wakô nezonyana wonyana wakô izenzo ezincamisileyo endizenzileyo kuma-Yiputa, nemiqondiso yam endiyibonakalalisileyo pakati kwawo, ukuze nazi ukuba ndingu-Yehova.
3 Waya u-Moses no-Aron ku-Faro, batî kuye, Utsho u-Yehova, u-Tîxo wama-Hebere, ukutî, Kunini-na ungavumi ukuzitôba pâmbî kwam? bandulule abantu bam, baye kundikônza.
4 Okanye ukuba utê akwavuma ukuba-

Digitized by Google

ndulula abantu bam, uyabona, ngomso ndozisa inkumbí emideni yakó,

5 Zigubungele ubuso belizwe, lingabi nakubonwa ilizwe, zidle intsalela esindileyo, enisalele esicótwéni, zidle yonke imití enihlumelayo endle;

6 Zizalise izindlu zakó, nezindlu zabakónzi bakó bonke, nezindlu zama-Yiputa onke; *inkumbí* ezingabonwanga ngoyihlo nonyokokúlu kususela kwimini ababekó ngazo emhlabeni, unanamhla. Wajika, wapúma ku-Faro.

7 Batí abakónzi baka-Faro kuye, Koda kube ninina lo engumgibe kutí? Bandulule abantu, baye kukónza u-Yehova u-Tíxo wabo. Akukazi-na kuhleliwenje ukuba i-Yiputa iza kutshabalala?

8 Baza o-Moses no-Aron babuyiselwa kwaku-Faro; watí kubo, Hambáni niye kukónza u-Yehova u-Tíxo wenu; kuhambá obani nobani-ke?

9 Watí u-Moses, Siya kuhambá nolutsha nengwevu zakowetú, sihambé nonyana betú nentombí zetu, nempahla yetú emfutshane nenkomo zetú; kuba kutí ng mténdeleko ka-Yehova.

10 Watí kubo, Makube njalo kambé; u-Yehova makabe nani, njengokuba ndinindulula nina nentsapo yenu. Kángelani, kukó ububi pámbí kwenu.

11 Makungabi njalo; Makuhambé nina bangamadoda, niye kukónza u-Yehova; kuba nibe nifuna oko. Bagxotwa, bapúma ebusweni buka-Faro.

12 Watí u-Yehova ku-Moses, Yolula isandla sakó pézu kwelizwe lase-Yiputa kuze inkumbí, zinyuke kulo ilizwe lase-Yiputa, ziyidle yonke imifuno yelizweeli, yonke into eshiywe sicótó.

13 Wayolula u-Moses intonga yakė pézu kwelizwe lase-Yiputa, u-Yehova waqúba umoya wasempumalanga kwelolizwe yonke lomini nobusuku bayo; kwakusa umoya wasempumalanga wazitwala inkumbí.

14 Zenyuka inkumbí kulo lonke ilizwe lase-Yiputa; zeza zahlala emideni yonke yase-Yiputa, zininzi kunene; ekungazanga pámbí kwazo kubekó zinkumbí zingako, kwabe emva kwazo kungasayi kubakó zinjalo.

15 Zabugubungela ubuso belizwe lonke, laba mnyama ilizwe; zayidla yonke imifuno yelizwe neziqámo zonke zemití ezazishiywe sicótó: akwasala nanye into eluhlaza emtíni nasemifunweni yasendle, ezweni lonke lase-Yiputa.

16 Wakáuleza u-Faro wabiza u-Moses no-Aron, watí, Ndonile ku-Yehova u-Tíxo wenu nakuni.

17 Kaloku kánisixolele isono sam okwesisihlandlo sodwa, nitándaze ku-Yehova u-Tíxo wenu, akususe kum okukufa kodwa.

18 Wapúma ku-Faro, watándaza ku-Yehova.

19 U-Yehova wawuguqula umoya, wangowasentshonalanga onamandla kunene, wazitwala inkumbí, wazidiba e-Lwandle olubomvu; akwasála nanye inkumbí, emideni yonke yase-Yiputa.

20 Wayenza lukúni u-Yehova intliziyo ka-Faro, akabandulula onyana baka-Sirayeli.

21 Watí u-Yehova ku-Moses, Yolulela isandla sakó emazulwini, kubekó ubumnyama ezweni lase-Yiputa, ubumnyama obungqingqwa.

22 Wasolulela u-Moses isandla sakė emazulwini; kwabakó ubumnyama obusitókotóko ezweni lonke lase-Yiputa imihla emitátú.

23 Ababonana; akwasuka bani endaweni yakė imihla emitátú; ke kubo bonke onyana baka-Sirayeli kwabakó ukukánya emakáya abo.

24 U-Faro wabiza u-Moses, watí, Hambáni niye kukónza u-Yehova; kodwa impahla yenu emfutshane nenkomo zenu mazisale; nayo intsapo yenu yohambá nani.

25 Watí u-Moses, Wena uz'usinike imibingelelo namadini anyukayo ezandleni zetú, sibingelele ku-Yehova u-Tíxo wetú;

26 Nemfuyo yetú ihambé natí; akuyi kusala nopúpú olunye; kuba sotábatá kuyo ukukónza u-Yehova u-Tíxo wetú, kuba tína asazi, ukuba somkónza nganto-nina u-Yehova, side sifike kóna.

27 U-Yehova wayenza lukúni intliziyo ka-Faro, akavuma ukubandulula.

28 Watí u-Faro kuye, Hamb'umke kum, uz'uzigcine, ungapíndi ububone ubuso bam; kuba mhlana ububonileyo ubuso bam, uya kufa.

29 Watí u-Moses, Utyapile utsho, andisayi kupínda ndibubone ubuso bakó.

Digitized by Google

11 U-Yehova wati ku-Moses, Ndisaya kufikisa sibetô sinye pezu ko-Faro napézu kwe-Yiputa, emveni koko woninduluła nimke apâ; xa anindululą kupéle, uya kunigxota kanye, nimke apâ.
2 Kâutétê ezindlebeni zabantu, iti inkazana icele kuwayo, indoda icele kuwayo impahla ze-silivere nempahla ze-golide.
3 U-Yehova wababababala abantu emehlweni ama-Yiputa. Kananjalo indoda leyo ingu-Moses yayinkulu kunene ezweni lase-Yiputa kubakônzi baka-Faro nasebantwini.

4 Watî u-Moses, Utsho u-Yehova ukuti, Xa kupâkatî kobusuku, ndiya kupûma ndihambê pâkatî kwe-Yiputa,
5 Afe onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, etâbatêla kumazibulo ka-Faro, ohleliyo e-troneni yakê, esa kumazibulo ekôbokazana elisemva kwamatye okusila, namazibulo onke enkomo;
6 Kubekô isikâlo esikûlu ezweni lonke lase-Yiputa, ekungazanga kubekô sinjalo, kwayekungayi kupînda kubekô sinjalo.
7 Ke kubo bonke onyana baka Sirayeli, akukô nja iya kubavungamela, kutâbatêla emntwini kuse ezinkomeni; ukuze nazi ukuba u-Yehova uyawahlula ama-Yiputa kuma-Sirayeli.
8 Behle bonke abakônzi bakô abo, beze kum, baqubude kum, besiti, Pûma wena nabantu bonke abakulandelayo; ndipûme-ke emveni koko. Waza wapûma ku-Faro, evutâ ngumsindo.

9 U-Yehova watî ku-Moses, Akayi kunipûlapûla u-Faro, ukuze zande izimanga zam ezweni lase-Yiputa.
10 U-Moses no-Aron bazenza-ke izizimanga zonke pâmbî ko-Faro; u-Yehova wayenza lukûni intliziyo ka-Faro, akabandululą onyana baka Sirayeli ezweni lakê.

12 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron ezweni lase-Yiputa, watî,
2 Lenyanga kuni iyintloko yenyanga, kuni yeyokuqala ezinyangeni zomnyaka.
3 Têtâni kwibandla lonke lakwa-Sirayeli, nitî, Ngolweshumi usuku kulenyanga elowo makazitâbatêle ixwane, ngokwezindlu zoyise, ixwane ngendlu.
4 Ukuba itê indlu yancinane exwaneni, makatâbatê *ixwane* yena enommelwane wakê okufupî nendlu yakê, ngokwenani labantu; elowo ngangokokudla kwakê nombalela exwaneni.
5 Ixwane lenu malibe liduna eligqibeleleyo, elimnyaka-mnye; nolitâbatâ ezigusheni nokuba kusezi-bôkweni,
6 Niligcine kude kube lusuku lweshumi elinesine lwalenyanga, silixêle-ke sonke isikûngu sebandla lakwa-Sirayeli lakutshona ilanga;
7 Bacapûle egazini, baliqabe emigubasini yomibini nasemqadini wezindlu eliya kudlelwa kuzo ngabo;
8 Bayidle inyama ngobobusuku, yosiwe ngomlilo, inezonka ezinge nagwele, bayidle *nemitâna* eraŕa.
9 Musan' ukudla ndawo irwada kuyo, nandawo ukupêkwa ipêkwe ngamanzi; mayosiwe ngomlilo; intloko yalo namanqina alo nezibilini zalo.
10 Ningasalisi ndawo yalo kude kuse; okuseleyo kulo kwada kwasa nokutshisa ngomlilo.
11 Zenenje nje ukulidla: nodla nibînqile, ninembâdada ezinyaweni zenu, ninentonga esandleni senu, nilidle bupûtûpûtû: leyo yipasika[1] ku-Yehova.
12 Ndiya kucanda ezweni lase-Yiputa ngobubusuku, ndibetê onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, nditâbatêle emntwini ndise enkomeni, ndenze izigwebo kotîxo bonke base-Yiputa, mna Yehova.
13 Igazi-elo libe ngumqondiso kuni ezindlwini enikuzo. Ndolibona igazi, ndigqite kuni, singabikô kuni isibetô esonakalisayo ekulibetêni kwam ilizwe lase-Yiputa.
14 Lemini yoba sikûmbûzo kuni, niyenze umtêndeleko ku-Yehova; ezizukulwaneni zenu niyenze ummiselo ongunapâkade.
15 Nodla izonka ezinge nagwele intsuku zibe sixênxe; kwa ngosuku lokuqala nolisusa igwele ezindlwini zenu; kuba bonke abadla isonka esinegwele, kususela kolokuqala kude kube lusuku lwesixênxe, bonqanyulwa bangabikô kwa-Sirayeli.
16 Ngomhla wokuqala kobakô intlanganiso engewele nangomhla wesixênxe kobakô intlanganiso engewele kuni. Akuyi kwenziwa msebenzi ngawo inge ngulowo

[1] Ugqitô.

Digitized by Google

wokudla komntu; nguwo wodwa eningazenzelayo.

17 Nigcine umtêndeleko wezonka ezinge nagwele; kuba kanye ngayo lomini ndayikûpâ imikôsi yenu ezweni lase-Yiputa; niwugcine lomhla kwizizukulwana zenu, ube ngummiselo ongunapâkade.

18 Ngeyokuqala *inyanga*, ngosuku lweshumi elinesine enyangeni-leyo, ngokuhlwa, nodla izonka ezinge nagwele, kude kuse kusuku lwamashumi omabini analunye lwenyanga leyo, ngokuhlwa.

19 Zekungafunyanwa gwele ezindlwini zenu intsuku ezisixênxe; kuba bonke abadla into enegwele bonqanyulwa bangabikô ebandleni lakwa-Sirayeli, nokuba gumpâmbukeli, nokuba ngozalelwe kulondawo.

20 Yonke into enegwele zeningayidli; emakâya enu onke nodla izonka ezinge nagwele.

21 Wawabiza u-Moses onke amadoda amakûlu akwa-Sirayeli, watî kuwo, Hambâni niye, nizitâbatêle ixwane ngokwemizalwane yenu, nixêle i-pasika.

22 Nitâbatê isipâ se-hisope, nisitî-nxu egazini elisenqâyini, niqabe emqadini nasemigubasini yomibini ngegazi elisenqâyini; ke kuni zekungapûmi mntu emnyango wendlu yakê kude kuse.

23 U-Yehova uya kucanda, awabulale ama-Yiputa. Akulibona igazi emqadini nasemigubasini yomibini, wogqita u-Yehova emnyango, angamvumeli umonakalisi ukuba angene ezindlwini zenu, abulale.

24 Woligcina elozwi libe ngummiselo kuwe, nakonyana bakô kude kuse epâkadeni.

25 Notî, nakufika ezweni aya kuninika u-Yehova, njengoko watshoyo, niyigcine lenkonzo.

26 Kotî, xa batê onyana benu kuni, Iyinto-nina lenkonzo kuni?

27 Nitî-ke, Ngumbingelelo we-pasika ku-Yehova owagqita ezindlwini zonyana baka-Sirayeli e-Yiputa, ekubulaleni kwakê ama-Yiputa, wazihlangula izindlu zetû. Batôba abantu, baqubuda.

28 Bahambâ onyana baka-Sirayeli, baya kwenza; njengoko u-Yehova wabawisela umtêtô u-Moses no-Aron, benje njalo.

29 Kwatî-ke pâkatî kobusuku, u-Yehova wawabulala onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, kwatâbatêla kowamazibulo ka-Faro ohleliyo e-troneni yakê, kwasa kowamazibulo omtînjwa osentolongweni engumhādi, namazibulo onke enkomo.

30 Wavuka u-Faro ebusuku, yena nabakônzi bakê bonke nama-Yiputa onke: kwabakô isikâlo esikûlu e-Yiputa; kuba akubangakô ndlu inge namntu ufileyo.

31 Wabiza u-Moses no-Aron ebusuku, watî, Sukani nipûme pâkatî kwabantu bam, nina aba nonyana baka-Sirayeli, nihambê niye kumkônza u-Yehova njengokutsho kwenu;

32 Nempahla yenu emfutshane nenkomo zenu zitâbatêni njengoko natshoyo, nihambê, nam nindisikelele.

33 Ama-Yiputa ajokisa ukubandulula abantu ngobunxâmo kwelozwe; kuba abesiti, Sonke sesifile.

34 Abantu bayitâbatâ intlama yabo ingekabi nagwele, imikûmbi yabo yokuxovulela isongelwe ezingutyeni zabo, ibotshelelwe emagxêni abo.

35 Onyana baka-Sirayeli benza ngokwelizwi lika-Moses; bacela kuma-Yiputa impahla ze-silivere nempahla ze-golide nengubo.

36 U-Yehova wababababala abantu pâmbî kwama-Yiputa, abenza ukuba bacele. Bawapânga-ke ama-Yiputa.

37 Banduluka-ke onyana baka-Sirayeli e-Rameses, baya e-Sukoti, amadoda enyawo engatî akumakûlu omatândatû amawaka, ngapândle kosapo.

38 Kwenyuka-ke nabo inkita engumxube, nempahl' emfutshane, nenkomo, imfuyo eninzi kunene.

39 Bosa amaqebengwana ange nagwele entlama, ababepûme nayo e-Yiputa, kuba ibinge nagwele; kuba bagxotwa e-Yiputa, ababi nakulibala, kananjalo babengazenzelanga mpâko.

40 Ke ukuhlala konyana baka-Sirayeli, abakuhlalayo e-Yiputa, yiminyaka emakûlu mane aneminyaka emanci matâtû.

41 Ekupêleni kweminyaka emakûlu mane, aneminyaka emanci matâtû, kwatî, kanye ngayo lomini yapûma yonke imikôsi ka-Yehova ezweni lase-Yiputa.

42 Bubusuku obo bokugcina kuka-Yehova, kuba wabakûpâ ezweni lase-Yiputa. Bubusuku buka Yehova obo bokugcinwa ngonyana baka-Sirayeli bonke, ezizukulwaneni zabo.

Digitized by Google

43 Watî u-Yehova ku-Moses naku-Aron, Ummiselo we-pasika nguló: Bonke onyana bolunye uhlanga abasokudla kuyo.

44 Bonke abakônzi, abantu abazuzwe ngemali, uz'ubalûse, bandule-ke ukudla kuyo.

45 Olundwendwe nongumqeshwa akasokudla kuyo.

46 Yodlelwa ndlwini nye; akusokusa nto yalonyama ngapândle kwendlu, anisokwapûla tâmbô layo.

47 Lonke ibandla lakwa-Sirayeli loyenza lonto.

48 Xa atê owasemzini wapâmbûkela kuwe, wenza i-pasika ku-Yehova, mayalûswe yonke into eyindoda kuye, andule-ke ukusondela, ayenze, abe njengozalelwe kwelozwe; bonke abangalûswanga abasokudla kuyo.

49 Woba mnye umyalelo, kozalelwe kwelozwe, nakowasemzini opâmbûkele pâkatî kwenu.

50 Benza-ke bonke onyana baka-Sirayeli; njengoko u-Yehova wabawisela umtê-tô u-Moses no-Aron, benje njalo.

51 Kwatî, ngayo kanye lomini u-Yehova wabakûpâ onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa ngokwemikôsi yabo.

13 U-Yehova watêtâ ku-Moses, watî, 2 Ndingcwalisele onke amazibulo, yonke into evula isizalo pâkatî konyana baka-Sirayeli, kumntu nakwinkomo, yeyam.

3 Watî u-Moses ebantwini, Yikûmbûleni lemini nipûme ngayo e-Yiputa, endlwini yamakôboka; kuba u-Yehova unikûpê kulendawo ngesitê-nqi isandla, izeke kungadliwa nto inegwele.

4 Lo ngumhla enipûmê ngawo ngenyanga engu-Abibi.

5 Kotî, xa u-Yehova anifikisileyo ezweni lama-Kanan, lama-Hiti, lama-Amori, lama-Hivi, lama-Yebusi, awalifungela oyihlo ukubanika, izwe elinamasi nobusi, ukônze ngalenkonzo kulenyanga:

6 Nidle izonka ezinge nagwele intsuku ezisixênxe; ke usuku lwesixênxe lungumtêndeleko ku-Yehova;

7 Izonka ezinge nagwele zodliwa intsuku ezisixênxe; kungabonwa kuwe nto inegwele, kungabonwa gwele kuwe emideni yakô yonke.

8 Uz'umxelele unyana wakô ngalomini, utî, Ndikwenza oku ngenxa yoko u-Yehova wakwenzayo kum ekupûmeni kwam e-Yiputa;

9 Zekube ngumqondiso kuwe osesandleni sakô, ube sikûmbûzo pâkatî kwamehlo akô, ukuze umyalelo ka-Yehova ube semlonyeni wakô; kuba u-Yehova ukukûpê e-Yiputa ngesitê-nqi isandla.

10 Uz'uwugcine lommiselo ngexesha lawo elimisiweyo imihla kamihla.

11 Kotî, xa akufikisileyo u-Yehova ezweni lama-Kanan, njengoko wafungayo kuwe nakoyihlo, wakunika lona,

12 Uyidlulisele ku-Yehova yonke into evula isizalo, into yonke elizibulo lenkomo, oya kuba nayo, amaduna oba ngaka-Yehova.

13 Into yonke elizibulo le-esile woyikûlula ngokuyimisela ngexwane; ke ukuba utê akwayikûlula ngokuyimisela, woyapûla ilungu lentamo. Yonke into elizibulo lomntu konyana bakô, nayo woyikûlula ngokuyimisela.

14 Kotî, xa unyana wakô akubuzayo ngexesha elizayo, esitî, Yinto-nina lento? uz'utî kuye, U-Yehova wasikûpâ e-Yiputa, endlwini yamakôboka, ngesitê-nqi isandla;

15 Kwatî, xa u-Faro waye lukûni ukusindulula, u-Yehova wawabulala onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, etâbatêla kwizibulo lomntu, esa kwizibulo lenkomo; kungenxa yoko lento ndibingelela ku-Yehova yonke into evula isizalo eliduna, ndiyikûlule ngokuyimisela yonke into elizibulo konyana bam;

16 Ibe ngumqondiso esandleni sakô, ibe zikûmbûzo pâkatî kwamehlo akô; kuba u-Yehova wasikûpâ e-Yiputa ngesitê-nqi isandla.

17 Kwatî, akubandulula u-Faro abantu, u-Tîxo akabakokela ngendlela yelizwe lama-Filisti, nakuba ibimfutshane yona: kuba watî u-Tîxo, hleze abantu bazohlwaye bakubona imfazwe, babuyele e-Yiputa.

18 U-Tîxo wabazungulezisa abantu ngendlela yentlango yo-Lwandle olubomvu. Banyuka bexôbile onyana baka-Sirayeli, bevela ezweni lase-Yiputa.

19 U-Moses wawatâbatâ wahambâ nawo amatâmbô ka-Yosefu; kuba wayebafungisile nokubafungisa onyana baka-Sira-

Digitized by Google

yeli, esitĺ, U-Tĺxo uya kunivelela okunene, zeniwanyuse amatâmbô am emke nani kulendawo.

20 Banduluka e-Sukoti, balalisa e-Etam, enyeleni yentlango.

21 U-Yehova wahambâ pâmbĺ kwabo ngomqulu welifu emini, ebakôkela ngendlela, ngomqulu womlilo ebusuku, ebakânyisela, ukuze bahambê imini nobusuku.

22 Awusukanga umqulu welifu emini, nomqulu womlilo ebusuku pâmbĺ kwabantu.

14 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watĺ, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, ukuba bajike, bamise in-tente pâmbĺ kwe-Pi-hahiroti, pâkatĺ kwe-Migdoli nolwandle, pâmbĺ kwe-Bahali-tsefon, malunga nayo, nimise ngaselwandle.

3 Uya kutĺ u-Faro ngonyana baka-Sirayeli, Badidekile ezweni, intlango ibavingcele.

4 Ndoyenza lukûni intliziyo ka-Faro, abasukele, ndizukiseke ngo-Faro nangempi yakê yonke, azi ama-Yiputa ukuba ndingu-Yehova. Benje njalo-ke.

5 Waxelelwa ukumkani wase-Yiputa, ukuba abantu babalekile; yaba yiyimbĺ intliziyo ka-Faro neyabakônzi bakê kubantu, batĺ, Siyenzele nto-nina lento yokusuka simndulule u-Sirayeli ekusikônzeni?

6 Wayibopâ inqwelo yakê yokulwa, wabatâbatâ abantu bakê, *bahambâ* naye.

7 Watâbatâ amakûlu omatândatû enqwelo zokulwa ezikétiweyo, nenqwelo zonke zokulwa zase-Yiputa, namafa-nankosi pêzu kwazo zonke zipêla.

8 U-Yehova wayenza lukûni-ke intliziyo ka-Faro ukumkani wase-Yiputa, wabasukela onyana baka-Sirayeli, baye onyana baka-Sirayeli bepûme ngesandla esipâkamileyo.

9 Ama-Yiputa abasukela, enamahashe onke enqwelo zokulwa ka-Faro, nakwelwayo akê, nempĺ yakê, afika kubo bemise in-tente ngaselwandle, ngase-Pi-hahiroti pâmbĺ kwe-Bahali-tsefon.

10 Wasondela u-Faro. Bawapâkamisa amehlo abo onyana baka-Sirayeli, nango ama-Yiputa efake emva kwabo. Boyika kunene, bakâla onyana baka-Sirayeli ku-Yehova.

11 Batĺ ku-Moses, Kungokuba bekungekô mancwaba-na e-Yiputa lento usitâbatĺleyo ukuba sifele entlango apâ? Yinina ukuba usenze into enje, usikûpe e-Yiputa?

12 Asililo-na eli ilizwi ebesilitêtâ kuwe e-Yiputa, sisitĺ, Siyeke, siwakônze ama-Yiputa? kuba bekusilungele kanye ukuba sikônze ama-Yiputa kunokuba sifele entlango apâ.

13 Watĺ u-Moses ebantwini, Musan' ukoyika, misani, nilubone usindiso luka-Yehova aya kunenzela lona namhla; kuba ama-Yiputa lawo niwabonileyo namhla-nje, anisokupĺnda niwabone napâkade.

14 U-Yehova uya kunilwela, ke nina niyakutĺ-cwaka.

15 Watĺ u-Yehova ku-Moses, Yinina ukuba ukâle kum? Têtâ konyana baka-Sirayeli, banduluke.

16 Ke wena, pâkamisa intonga yakô, wolule isandla sakô pêzu kolwandle ulwahlule, bahambê onyana baka-Sirayeli pâkatĺ kolwandle, emhlabeni owomileyo.

17 Mna-ke, yabona, ndiya kuzenza lukûni intliziyo zama-Yiputa, angene emva kwabo, ndizukiseke ngo-Faro, nangempi yakê yonke, ngenqwelo zakê zokulwa, nangaba-mahashe bakê;

18 Azi ama-Yiputa ukuba ndingu-Yehova, ekuzukisekeni kwam ngo-Faro nangenqwelo zake zokulwa nangaba-mahashe bakê.

19 Sesuka isitûnywa sika-Tĺxo, esibe sihambâ pâmbĺ kwemfuduka yama-Sirayeli, sahambâ emva kwayo; wesuku umqulu welifu pâmbĺ kwayo, wema emva kwayo;

20 Watĺ-zinzi pâkatĺ kwempi yama-Yiputa, nemfuduka yama-Sirayeli; kwabakô ilifu nobumnyama *kuma-Yiputa*, labukânyisela ubusuku *kuma-Sirayeli;* akasondelelana ubusuku bonke.

21 U-Moses wasolula isandla sakê pêzu kolwandle, walumkisa u-Yehova ulwandle ngomoya wasempumalanga, onamandla, bonke obobusuku, walwenza umhlaba owomileyo ulwandle, ahlulelana amanzi.

22 Bangena onyana baka-Sirayeli elwandle pâkatĺ, kowomileyo; asuka amanzi aludonga ngasekunene nangasekôhlo.

23 Asukela ama-Yiputa, angena emva

Digitized by Google

kwabo, elwandle pâkatî, enamahashe onke ka-Faro nenqwelo zakê zokulwa, naba-mahashe bake.

24 Kwatî ngomlindo wokusa u-Yehova waqondela empini yama-Yiputa esemqulwini womlilo nelifu; wayidubaduba impi yama-Yiputa.

25 Wayidonyula imilenze yenqwelo zawo zokulwa, aziqûba nzima. Atî ama-Yiputa, Masisabe pâmbî kwama-Sirayeli, kuba u-Yehova uyawalwela esilwa nama-Yiputa.

26 Watî u-Yehova ku-Moses, Yolula isandla sakô pêzu kolwandle, amanzi abuyele pêzu kwama-Yiputa, pêzu kwenqwelo zawo zokulwa napêzu kwaba-mahashe bawo.

27 Wasolula u-Moses isandla sakê pêzu kolwandle, ulwandle lwabuyela ebumeni balo, ukuti-qîpu kokusa; asaba ama-Yiputa asinga kulo. U-Yehova wawavutûlulela ama-Yiputa pâkatî elwandle.

28 Abuya amanzi, azigubungela inqwelo zokulwa, naba-mahashe, nempi yonke ka-Faro eyayingene emva kwawo elwandle; akwasala noko amnye kuwo.

29 Bona onyana baka-Sirayeli bahambâ emhlabeni owomileyo pâkatî elwandle; asuka amanzi aludonga ngasekunene nangasekôhlo.

30 Wawasindisa u-Yehova ngalomini ama-Sirayeli esandleni sama-Yiputa; ama-Sirayeli awabona ama-Yiputa efile elunxwemeni lolwandle.

31 Asibona ama-Sirayeli isandla esikûlu asibonakalalisileyo u-Yehova kuma-Yiputa. Bamoyika abantu u-Yehova, bakôlwa ngu-Yehova nangu-Moses umkônzi wakê.

15 Waza u-Moses wahlabela lengoma ku-Yehova enonyana baka-Sirayeli, batsho ukutî,

Ndiya kuhlabela ku-Yehova, kuba enobungangamsha obukûlu,
Ihashe nomkweli walo ulizulumbêle elwandle.

2 Uqayiya lam, ungoma yam ngu-Yehova;
Waba lusindiso kum.
Ulo-Tîxo wam endimzukisayo,
U-Tîxo kabawo endimpâkamisayo.

3 U-Yehova yindoda elwayo,
U-Yehova ligama lakê.

4 Inqwelo zokulwa zika-Faro nempi yakê wazipôsa elwandle.
Abahleliweyo kumafa-nankosi akê batshoniswe e-Lwandle olubomvu.

5 Amanzi enzonzobila abagubungele,
Behlela ezinzulwini njengelitye.

6 Isandla sakô sokunene, Yehova, sivetê amandla;
Isandla sakô sokunene, Yehova, sivikiva utshaba.

7 Ngobukûlu bobungangamsha bakô ubagungxule abacâsi bakô;
Ukûpâ ukuvutâ kwakô, kubadla bona njengendiza.

8 Ngokufutâ kwamatâtâ akô afunjwa amanzi,
Yema njengemfumbâ imiqukuqela.
Ajiya amanzi enzonzobila embîlinini wolwandle.

9 Lwatî utshaba,
Ndiyasukela, ndiyafumana,
Ndaba ixôba, umxêlo wam uyazanelisa kubo;
Ndirôla irele lam, siya kubagqogqa isandla sam.

10 Wafutâ ngomoya wakô, lwabagubungela ulwandle;
Bazulumbêka njenge-lote emanzini angangamsha.

11 Ngubanina onjengawe pâkatî kotîxo, Yehova?
Ngubanina onjengawe, wena uvetê ubungcwele,
Woyikekayo ezindumisweni, wenzayo ngokubalulekileyo?

12 Wolula isandla sakô sokunene,
Umhlaba uyabaginya.

13 Uyabakôkela ngenceba yakô abantu aba ubahlauleleyo ubakûluleyo.
Ngoqilima lwakô ubatûndezela ekâya lakô elingcwele.

14 Zivile izizwe, ziyangqunga,
Abemi base-Filisti babanjwe kuzibijabija;

15 Zaza zakwanqa izikûlu zakwa-Edom,
Injengele zakwa-Mowabi zabanjwa kutûtûmela,
Batâ amandla bonke abemi belakwa-Kanan.

16 Bawelwa kudenga nakunkwantya,
Ngenxa yobukûlu bengalo yakô batîcwaka njengelitye,
Bade badlula abantu bakô, Yehova,
Bade badlula abobantu ubazuzileyo.

Digitized by Google

17 Uya kubangenisa, ubatyale entabeni yelifa lakô,
Endaweni oyenzele ukuba uhlale kuyo, Yehova,
Engcweleni eziyilungisileyo izandla zakô.
18 U-Yehova uya kuba ngukumkani ngonapâkade kanapâkade.

19 Kuba langena elwandle ihashe lika-Faro nenqwelo yakê yokulwa naba-mahashe bakê. U-Yehova wawabuyisela pêzu kwabo amanzi olwandle; ke bona onyana baka-Sirayeli bahambâ kowomileyo, pâkatî elwandle.
20 U-Miriyam um-profetikazi, udade bo-Aron, watâbatâ ingqongqo ngesandla sakê; apûma onke amankazana emva kwakê, enengqongqo engqungqa.
21 Wawapêndula u-Miriyam watî,
Vumani ku-Yehova, kuba enobungangamsha obukûlu,
Ihashe nomkŵeli walo ulizulumbêle elwandle.

22 U-Moses wawandulula ama-Sirayeli, emka e-Lwandle olubomvu, apûma aya entlango yase-Shure; ahambâ intsuku zantatû entlango, akafumana manzi.
23 Afika e-Mara, akabi nakuwasela amanzi ase-Mara, kuba ayeŕaŕa; ngenxa yoko igama lalondawo kwatîwa yi-Mara.[1]
24 Abantu bamŕoŕela u-Moses, besitî, Siya kusela nto-nina?
25 Wadanduluka ku-Yehova. U-Yehova wambonisa umtî; wawupôsa emanzini, aba mnandi amanzi. Kon' apô wabamisela ummiselo nesiko, kon' apô wabavavanya;
26 Watî, Ukuba utê walipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô, wenza okutêtye pâmbî kwakê, wayibekela indlebe imitêtô yakê, wayigcina yonke imimiselo yakê: andiyi kubeka nasinye isifo pêzu kwakô endisibekileyo pezu kwama-Yiputa; kuba ndingu-Yehova igqiŕa lakô.

27 Bafika e-Elim, apô kwaye kukô imitômbô yamanzi elishumi elinamibini, nemitî yesundu engamashumi osixênxe, bazimisa in-tente kôna ngasemanzini.

16 Lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli landuluka e-Elim, lafika entlango yase-Sin, epâkatî kwe-Elim ne-Sinayi, ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yesibini yokupûma kwabo ezweni lase-Yiputa.
2 Labaŕoŕela o-Moses no Aron lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli entlango apô.
3 Batî onyana baka-Sirayeli kubo, Akwaba besife sisandla sika-Yehova ezweni lase-Yiputa, xa sasihleli ngasezimbîzeni zenyama, sisidla isonka sada sahluta; ngokuba nisikûpêle kulentlango, ukuze nisibûbîse sonke esisikûngu ngendlala.
4 Watî u-Yehova ku-Moses, Uyabona, ndiya kuninisela isonka sivela ezulwini; bapûme abantu, babutê isabelo semini esilingene imini, ukuze ndibalinge ukuba bohambâ ngomyalelo wam, abakuhambâ ngawo, kusinina.
5 Kotî, ngemini yesitândatû balungise oko bakuzisileyo; koba ngumlinganiselo opîndwe kabini kunoko batê bakubutâ imihla ngemihla.
6 Watî u-Moses no-Aron konyana baka-Sirayeli bonke, Ngokuhlwa niya kwazi ukuba ngu-Yehova owanikûpâyo ezweni lase-Yiputa;
7 Kusasa niya kububona ubuqaqauli buka-Yehova, ekubeni ekuvile ukumŕoŕela kwenu u-Yehova. Tîna besingobani-na ukuba nisiŕoŕele?
8 Watî u-Moses, *Niya kububona* ekutîni u-Yehova aninike inyama ngokuhlwa, nidle isonka kusasa, nihlute; ekubeni u-Yehova ekuvile ukuŕoŕa kwenu enimŕoŕela ngako. Ke tîna singobani-na? Aniŕoŕeli tîna, niŕoŕela u-Yehova.
9 Watî u-Moses ku-Aron, Yitî kwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli, Sondelani pâmbî ko-Yehova; kuba ukuvile ukuŕoŕa kwenu.
10 Kekaloku, xa wayetêtâ u-Aron kwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli bakângela entlango, nabo ubuqaqauli buka-Yehova bubonakala efini.
11 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watî,
12 Ndikuvile ukuŕoŕa konyana baka-Sirayeli. Têtâ nabo, utî, Lakutshona ilanga nodla inyama, kusasa nohluta sisonka; nazi ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.
13 Kwatî ngokuhlwa, zenyuka izagwityi, zayigubungela iminquba yonke; kusasa kwabakô umbetê olele ngenxa zonke eminqubeni.

[1] Ubuŕaŕa.

Digitized by Google

14 Wenyuka umbetê obulele, nanko kukô pézu komhlaba entlango intwana apâ ecolekileyo, ejiyileyo, encinanana njengeqabaka emhlabeni.

15 Bayibona onyana baka-Sirayeli, batî omnye komnye, Yinto-ni? Kuba babengazi ukuba yinto-nina. Watî u-Moses kubo, Sesisonka aninika sona u-Yehova ukuba sibe kukudla.

16 Le yilonto wawisa umtêtô ngayo u-Yehova, watî, Butâni yona, elowo ngangokudla kwakê, i-homere[1] ngentloko yomntu, ngokwenani labantu, elowo atâbatêle abase-ntenteni yakê.

17 Benje njalo onyana baka-Sirayeli; babutâ omnye kakûlu, omnye kancinane.

18 Balinganisela nge-homere; akagqitîsa obutê kakûlu, akasilela obutê kancinane; babutâ elowo ngangokudla kwakê.

19 Watî kubo u-Moses, Umntu makangabeki mbeko.

20 Abampûlapûlanga u-Moses. Inxenye yayibeka umbeko; yabola, yaba nempetû, yanuka. U-Moses waba nobufalafume kubo.

21 Bayibutâ imiso ngemiso, elowo ngangokudla kwakê; lati lakufudumala ilanga yanyibilika.

22 Kwatî ngemini yesitândatû, babutâ isonka semihla emibini i-homere ezimbini mntwini mnye. Zangena zonke izikûlu zebandla, zamxelela u-Moses.

23 Watî kuzo, Yiyo lonto ayitêtîleyo u-Yehova, Ngomso lupûmlo; yi-sabata engcwele ku-Yehova; yosani enikosayo, pekani enikupêkayo, zibekeleni yonke into esele yo, igcinwe kude kuse.

24 Bayibeka-ke kwada kwasa, njengoko u-Moses wabawisela umtêtô; ayanuka, akwabikô mpetû kuyo.

25 Watî u-Moses, Yidleni namhla; kuba namhla yi-sabata ku-Yehova; namhla aniyi kuyifumana endle,

26 Noyibutâ imihla emitândatû; ngomhla wesixênxe yi-sabata, ayi kubakô ngawo.

27 Kutê ngomhla wesixênxe, kwapûma inxenye yabantu, yaya kubutâ, ayafumana nto.

28 Wati u-Yehova ku-Moses, Kuya kude kube nini-na ningavumi ukuyigcina imitêtô yam nemiyalelo yam?

29 Niyabona-ke, u-Yehova uninike isabata; kungenxa yoko atê ngomhla wesitândatû waninika isonka semihla emibini. Hlalani elowo endaweni yakê; makungapûmi mntu endaweni yakê ngomhla wesixênxe.

30 Bebepûmla-ke abantu ngomhla wesixênxe.

31 Indlu ka-Sirayeli yatî igama lalento yi-Mana;[1] yayinjengembêwu ye-koriyandire, imhlope, isongo sayo sinjengezonkana ezinobusi.

32 Watî u-Moses, Nantsi into awise umtêtô ngayo u-Yehova: zalisani i-homere ngayo, igcinelwe izizukulwana zenu, ukuze zisibone isonka endinidlise sona entlango, ekunikûpêni ezweni lase-Yiputa.

33 Watî u-Moses ku-Aron, Tâbatâ isitya sibe sinye, ugalele i-homere kuso sizale yi-mana, uyibeke pâmbî ko-Yehova, igcinelwe izizukulwana zenu.

34 Igcinwe njengoko u-Yehova wamwisela u-Moses umtêtô ngako. Wayibeka u-Aron pâmbî kwesinqîno, ukuba igcinwe.

35 Bayidla onyana baka-Sirayeli i-mana iminyaka emashumi mane, bada bafika ezweni elimiweyo; bayidla i-mana bada bafika emdeni welizwe lakwa-Kanan.

36 Ke i-homere isisahlulo seshumi sefa.[2]

17 Landuluka lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli entlango yase-Sin ngokwehambô yabo, ngelizwi lika-Yehova; bazimisa in-tente e-Refidim. Akwabikô manzi okuselwa ngabantu.

2 Babambâna abantu no-Moses, batî, Sinike amanzi, sisele. Watî u-Moses kubo, Yinina ukuba nibambâne nam? yinina ukuba nimlinge u-Yehova?

3 Banxanelwa amanzi apô abantu; abantu bamrorela u-Moses, batî, Yinina ukuba usinyuse sipûme e-Yiputa, nosapô lwetû nemfuyo yetû uze kusibûbîsa ngenxano?

4 U-Moses wadanduluka ku-Yehova, esitî, Ndiya kubatî-nina ababantu? Sekukancinane ukuba bandixulube ngamatye.

5 Watî u-Yehova ku-Moses, Gqitela pâmbî kwabantu, utâbatê amadoda amakûlu akwa-Sirayeli abe nawe; utî nentonga yakô owawubetâ ngayo umlambô, uyipâtê esandleni sakô, uhambê.

6 Yabona, ndiya kuma pâmbî kwakô

[1] I-homere izi-kwarte ezintatû.

[1] Yinto-ni?
[2] I-efa izi-kwarte ezingamashumi amatâtû.

Digitized by Google

kôna, pêzu kweliwa e-Horebe; uz'ulibetê iliwa, kopûma amanzi kulo, basele abantu. Wenjenjalo-ke u-Moses pâmbî kwawo amadoda amakûlu akwa-Sirayeli;

7 Watî igama lalondawo yi-Masa[1] ne-Meriba,[2] ngenxa yokubambâna konyana baka-Sirayeli, nangenxa yokumlinga kwabo u-Yehova, besitî, U-Yehova ukô-na pâkatî kwetû, akakô, kusinina?

8 U-Amaleki weza, walwa no-Sirayeli e-Refidim.

9 Watî u-Moses ku-Yoshuwa, Sihlelele amadoda; uze wêna upûme ulwe no-Amaleki; mna ngomso ndiya kuma encotsheni yenduli, intonga ka-Tîxo isesandleni sam.

10 Wenza u-Yoshuwa njengoko watêtâyo u-Moses kuye, walwa no-Amaleki; bona o-Moses no-Aron no-Hure benyuka baya encotsheni yenduli.

11 Kwatî, xa azipâkamisileyo u-Moses izandla, kweyisa u-Sirayeli; kwatî xa azihlisileyo izandla, kweyisa u-Amaleki.

12 Izandla zika-Moses zadinwa; batâbatâ ilitye, balibeka pântsi kwakê, wahlala kulo; batî o-Aron no-Hure bazixâsa izandla zakê, omnye engapâ, nomnye engapâya; zazimaseka izandla zake, lada ilanga latshona.

13 U-Yoshuwa wamcîtâ u-Amaleki nabantu bakowabo ngohlangotî lwerele.

14 Watî u-Yehova ku-Moses, Kubâle oku kube sikûmbûzo encwadini, ukutete ezindlebeni zika-Yoshuwa; ngokuba ndiya kusicima impêla isikûmbûzo sika-Amaleki pântsi kwamazulu.

15 U-Moses wakâ isibingelelo, watî igama laso Ngu-Yehova-i-bânile-yam.

16 Watî, Isandla sipâkanyiselwe e-troneni ka-Yehova ukuba u-Yehova uya kulwa imfazwe no-Amaleki isizukulwana ngesizukulwana.

18 U-Yitro umenzeleleli wakwa-Midiyan, uyise womka-Moses, wayiva yonke into u-Tîxo abeyenzele u-Moses, nama-Sirayeli abantu bakê, ukuba u-Yehova uwakûpîle ama-Sirayeli e-Yiputa.

2 U-Yitro uyise womka-Moses wamtâbatâ u-Tsipora umka-Moses, emveni kokuba ebemndulule,

3 Nonyana bake bobabini; igama lomnye lalingu-Gershom,[3] kuba watî, Bendingumpâmbukeli ezweni lolunye uhlanga;

4 Igama lomnye lalingu-Eliyezere,[1] kuba watî, U-Tîxo kabawo ube ngumncedi wam, wandihlangula ereleni lika-Faro.

5 U-Yitro uyise womka Moses weza-ke, nonyana bakê, nomkakê ku-Moses entlango, apô wayemise kôna in-tente, entabeni ka-Tîxo;

6 Watî ku-Moses, Mna, Yitro unguyihlo, ndize kuwe, ndinomkakô enonyana bakê bobabini.

7 Wapûma u-Moses, waya kumkâulela uyise womkakê, waqubuda, wamanga; babuzana impilo, bangena en-tenteni.

8 U-Moses wambalisela uyise womkakê yonke into, u-Yehova abeyenzile ku-Faro nakuma-Yiputa ngenxa ka-Sirayeli; nenxamleko yonke abayifumanayo endleleni, nokuhlangulwa kwabo ngu-Yehova.

9 Wavuya u-Yitro akukuva konke ukulunga abekwenzile u-Yehova ku-Sirayeli, ngokumhlangula esandleni sama-Yiputa.

10 Watî u-Yitro, Makabongwe u-Yehova owanihlangulayo esandleni sama-Yiputa, nasesandleni sika-Faro; owabahlangulayo abantu, bapûma pântsi kwesandla sama-Yiputa.

11 Ngoku ndiyazi ukuba u-Yehova mkûlu kotîxo bonke; ewe kwa kulonto ama-Yiputa abewakûkûmalele ngayo ama-Sirayeli.

12 U-Yitro uyise womka Moses wamtâbatêla u-Tîxo idini elinyukayo nemibingelelo; weza u-Aron namadoda amakûlu onke akwa-Sirayeli, esiza kudla isonka noyise womka-Moses pâmbî ko-Tîxo.

13 Kwatî ngengomso, u-Moses wahlala watêtâ amatyala abantu; abantu baxôntela ku-Moses, kususela kusasa kwada kwangokuhlwa.

14 Wayibona uyise womka-Moses yonke into abeyenza ebantwini, watî, Iyinto-nina lento uyenzayo ebantwini? kunganina lento uhlala wedwa, batî bona bonke abantu baxôntele kuwe, kususela kusasa kude kuhlwe?

15 Watî u-Moses kuyise womkakê, Kungokuba abantu besiza kum ukuba ndibacelele icebo ku-Tîxo;

16 Xa banendawo, beza kum ukuba ndigwebe pâkatî komntu nowabo, ndibaziso imimiselo ka-Tîxo nemiyalelo yakê.

[1] Ulingo. [2] Ubambâno. [3] Umhambi.

[1] U-Tîxo-wam-ngumncedi.

Digitized by Google

17 Watí uyise womka-Moses kuye, Ayilungile lento uyenzayo.

18 Uya kuzigqiba upêle amandla nababantu unabo; kuba lomsebenzi unzima kuwe, akunakuwenza wedwa.

19 Pûlapûla ngoko izwi lam, ndikupê iqinga; u-Tixo woba nawe. Wena yiba ngumlomo wabantu ku-Tixo, uzise izinto zabo ku-Tixo;

20 Ubafundise imimiselo nemiyalelo, ubazise indlela abaya kuhambâ ngayo nomsebenzi abaya kuwenza.

21 Uzikângelele ebantwini bonke amadoda anobunkunqele *ekutêtêni amatyala*, amoyikayo u-Tixo, amadoda anyanisileyo, ayitiyileyo inzuzo embí; uwamise pêzu kwabo abe ngabatêtêli-waka, nabatêtêlikúlu, nabatêtêli bamashumi ngamahlanu, nabatêtêli bamashumi ngamanye;

22 Batêtê amatyala abantu ngamaxesha onke; zití izinto zonke ezinkulu bazizise kuwe; zonke ezincinane bazigwebe bona, ukuze kube lula kuwe, bakutwalise.

23 Ukuba utê wayenza lonto, waza wakuwisela umtêtô u-Tixo, woba nakô ukuma. batí nababantu bonke bafike endaweni yabo benoxolo.

24 U-Moses walipulapûla izwi loyise womkakê, wayenza into yonke abeyitêtile.

25 U-Moses wanyula amadoda anobunkunqele *ekutêtêni amatyala* kuwo onke ama-Sirayeli, wawenza intloko pêzu kwabantu, aba ngabatêtêli-waka, nabatêtêlikúlu, nabatêtêli bamashumi ngamahlanu, nabatêtêli bamashumi ngamanye.

26 Batêtâ amatyala abantu ngamaxesha onke; izinto ezinqabileyo bazizisa ku-Moses, zonke ezincinane bazigweba bona.

27 U-Moses wamndulula uyise womkakê, waya elizweni lakowabo.

19 Ngenyanga yesitâtû emveni kokupûma konyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa, ngayo lomini bafika entlango yase-Sinayi.

2 Banduluka e-Refidim, bafika entlango yase-Sinayi, balalisa entlango, amisa in-tente apô ama-Sirayeli malunga nentaba.

3 U-Moses wenyuka waya ku-Tixo, u-Yehova wadanduluka kuye esentabeni apô, watí, Yitsho kwindlu ka-Yakobi, uxelele onyana baka-Sirayeli ukutí,

4 Nina niyibonile into endiyenzileyo kuma-Yiputa, ukuba ndanitwala ngamapíko exâlanga, ndanizisa kum.

5 Ngoku-ke, ukuba nitê nalipûlapûla okunene izwi lam, nawugcina umnqopiso wam, noba yinqobo kum kwizizwe zonke, kuba umhlaba wonke ngowam;

6 Nibe bubukumkani babenzeleleli kum, nohlanga olungcwele. Ngawo lawo amazwi oya kuwatêtâ konyana baka-Sirayeli.

7 Weza u-Moses, wawabiza amadoda amakûlu abantu, wabeka pâmbí kwawo onke amazwi u-Yehova awamwisela umtêtô ngawo.

8 Bapêndula bonke abantu ngamxêlo mnye, batí, Konke akutêtíleyo u-Yehova sokwenza. U-Moses wayixelela u-Yehova intetô yabantu.

9 Watí u-Yehova ku-Moses, Yabona, ndiyeza kuwe ndiselifini elingqingqwa, ukuze beve abantu ekutêtêni kwam nawe, bakôlwe kuwe ngonapâkade. Wawaxelake u-Moses amazwi abantu ku-Yehova.

10 Watí u-Yehova ku-Moses, Yiya ebantwini, ubangcwalise namhla nangomso, bazihlambê ingubo zabo,

11 Balunge ngomhla wesitâtû; kuba ngomhla wesitâtû uya kuhla u-Yehova pêzu kwentaba ye-Sinayi ebonwa ngabantu bonke;

12 Ubamisele abantu imida ngenxa zonke, utí kubo, Zigcineni ningenyukeli entabeni, ningawacûkumisi amazantsi ayo; osukuba eyicûkumisa intaba wobulawa afe.

13 Makungafiki sandla kubo, mabaxulutywe ngamatye mpela, zití mhlaumbi zitolwe nokutolwa; azikupíla, nokuba zinto ezizitô zine, nokuba ngumntu. Sakolula isandi sesigodlo ukuhlokoma, banganyuka entabeni bona.

14 Wehla u-Moses entabeni, waya ebantwini, wabangcwalisa abantu; bazihlambâ ingubo zabo.

15 Watí ebantwini, Ize nizilungiselele umhla wesitâtû. Ningasondeli ebafazini.

16 Kwatí ngomhla wesitâtû kwakusa, kwabakô indudumo, nemibane, nelifu elinzima pêzu kwentaba, nesandi sesigodlo esomeleleyo kunene; bagubâ bonke abantu abaseminqubeni.

17 U-Moses wabakûpâ abantu eminqubeni, baya kumkâulela u-Tixo; bema emazants' entaba.

18 Intaba ye-Sinayi yaba ngumsi yonke ipêla, kuba u-Yehova wehla pêzu kwayo

Digitized by Google

esemlilweni; umsi wayo wenyuka njengomsi weziko lemfutô; yanyikima kunene yonke intaba.

19 Kwabakô isandi sesigodlo esaya sisomelela kakûlu; watêtâ u-Moses, u-Tîxo wampéndula ngesandi.

20 Wehla-ke u-Yehova pézu kwentaba ye-Sinayi, encotsheni yentaba; u-Yehova wambizela u-Moses encotsheni yentaba leyo; wenyuka-ke u-Moses.

21 Watî u-Yehova ku-Moses, Yihla, ubaqononondise abantu, hleze batŷobozele ku-Yehova, bakângele, kwenzakale into eninzi kubo.

22 Kananjalo abenzeleleli abasondelayo ku-Yehova, mabazingcwalise, hleze u-Yehova ababûbîse.

23 Watî u-Moses ku-Yehova, Abantu abanakunyuka, baye entabeni ye-Sinayi; kuba wena wasiqononondisa watî, Yimisele imida intaba, uyingcwalise.

24 Watî u-Yehova kuye, Hamb' uhle, uze unyuke wena nino-Aron; ke abenzeleleli nabantu mabangatŷobozi benyuke beze ku-Yehova, hleze ababûbîse.

25 Wehla-ke u-Moses, waya ebantwini, watsho kubo.

20 U-Tixo wawatêtâ-ke onke lamazwi, watî,

2 Ndingu-Yehova u-Tîxo wakô, owakukûpâ ezweni lase-Yiputa, endlwini yamakôboka.

3 Uz'ungabi natixo bambi ngapândle kwam.

4 Uz'ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayipîna into emilise esezulwini pézulu, nesemhlabeni pântsi, nesemanzini apântsi komhlaba.

5 Uz'ungaqubudi kwezonto, ungazikônzi: kuba mna Yehova Tixo wakô ndingu-Tîxo onekŵele, ndibuvelela ubugwenxa boyise konyana, kwesesitâtû nakwesesine isizukulwana sabanditîyileyo;

6 Ndiwenzela inceba amawaka abanditândayo, abayigcinayo imitêtô yam.

7 Uz'ungafumane ulibize igama lika-Yehova u-Tîxo wakô; kuba u-Yehova akayi kumenza omsulwa ofumane alibize igama lakê.

8 Kûmbûla umhla we-sabata, ukuba uwungcwalise.

9 Wosebenza imihla emitândatû, uwenze wonke umsebenzi wakô;

10 Ke wona umhla wesixénxe uyi-sabata ka-Yehova u-Tîxo wako. Uz'ungenzi namnye umsebenzi ngawo, wena, nonyana wakô, nentômbî yakô, nomkônzi wakô, nomkônzazana wakô, nezinto zako ezizitô zine, nowasemzini osemasangweni akô:

11 Kuba ngemihla emitândatû u-Yehova wenza izulu, nomhlaba, nolwandle, nento zonke ezikwezonto, wapûmla ngomhla wesixénxe; ngenxa yoko u-Yehova wawusikelela umhla we-sabata, wawungcwalisa.

12 Beka uyihlo nonyoko, ukuze yolulwe imihla yakô emhlabeni akunika wona u-Yehova u-Tîxo wakô.

13 Uz'ungabulali.

14 Uz'ungarexezi.

15 Uz'ungebi.

16 Uz'unganqîni ubunqîna obubuxoki ngowenu.

17 Uz'ungawunqweneli umzi wowenu. Uz'ungamnqweneli umfazi wowenu, nomkônzi wakê, nomkônzazana wakê, nenkomo yakê, ne-esile lakê, nanye into eyiyeyowenu.

18 Bonke abantu bazibona indudumo nemibane nesandi sesigodlo, nentaba ingumsi. Abantu babona-ke bangcangcazela, bamela kude,

19 Batî ku-Moses, Têtâ wena natî, siyakuva; makangatêtî natî u-Tîxo, hleze sife.

20 Watî u-Moses ebantwini, Musan' ukoyika; kuba u-Tîxo uze kunilinga, ukuba kubekô ukumoyika ebusweni benu, ukuze ningoni.

21 Abantu bamela kude; wasondela u-Moses esitôkotôkweni abe kuso u-Tîxo.

22 Watî u-Yehova ku-Moses, Wotsho konyana baka-Sirayeli, ukutî, Nibonile nina, ukuba nditêtê nani ndisezulwini.

23 Ize ningenzi *otîxo* bokunxulumana nam, ningazenzeli otîxo be-silivere, notixo be-golide.

Digitized by Google

24 Uz'undenzele isibingelelo somhlaba, ubingelele pézu kwaso amadini akô anyukayo, nemibingelelo yakô yoxolo, impahla yakô emfutshane nenkomo zakô. Ndoza kuwe ndikusikelele endaweni zonke endomisa kuzo isikûmbûzo segama lam.

25 Ke ukuba utê wandenzela isibingelelo samatye, uz'ungasakî ngamatye aqingqiweyo; okanye ukuba utê wayipâkamisa intlabo yakô pézu kwaso, woba usihlambéle.

26 Uz'ungenyuki ngezinyuko esibingelelweni sam, ukuze bungatŷileki ubuzé bakô kuso.

21 Ngawo la amasiko oya kuwabeka pambi kwabo.

2 Xa utê wazuza umkônzi ongum-Hebere, wokônza iminyaka ibe mitândatû; atî kowesixênxe apûme ekûlulekile engahlaulelwanga.

3 Ukuba ubetê weza yedwa, wopûma yedwa; ukuba ubetê weza eyindoda enomfazi, umkakê wopûma naye.

4 Ukuba-ke inkosi yakê itê yamzekela umfazi, wamzalela onyana, nokuba zintombî: umfazi-lowo nabantwana bakê boba ngabenkosi yakê, apûme yena yedwa.

5 Ukuba utê lomkônzi, Ndiyayitânda inkosi yam, nomkam, nabantwana bam, andiyi kupûma ndikûluleke:

6 Inkosi yakê leyo yomsondeza ku-Tîxo, imsondeze elucangweni, nokuba kusemgubasini, imtûmbûse indlebe ngenyatŷowa inkosi yakê, ayikônze ngonapâkade.

7 Xa-ke umntu atê watêngisa ngentombî yakê, yaba ngumkônzazana, mayingapûmi ngokokupûma kwabakônzi abo.

8 Ke ukuba itê ayayikôlisa inkosi yayo, ebizimisele yona: yoyi vumela ukuba ikûlulwe ngentlaulelo; ke ayi kuba nagunya lakutêngisa ngayo kubantu bolunye uhlanga, ukuba iyitshinizele.

9 Ukuba itê yayimisela unyana wayo, yotî iyenze ngokwesiko lentombî zonke.

10 Ukuba itê yamzekela omnye *umfazi*, mayingakuncipîsi ukudla kwayo nezambâtô zayo nokubalelwa kwayo.

11 Ukuba ayitânga izenze ezozinto zontatû, mayipûme ingahlaulelwanga mali.

12 Otê wabetâ umntu wafa, naye wobulawa afe.

13 Ke lowo ubengenanzondo, yangu-Tîxo omqubanise nesandla sake, ndokumisela indawo aya kusabela kuyo.

14 Xa-ke umntu atê wagabadela ngakuwabo, wambulala ngobuqôpôlolo; uz'umsuse nasesibingelelweni sam, afe.

15 Otê wabetâ uyise, nokuba ngunina, wobulawa afe.

16 Otê weba umntu, nokuba utêngise ngaye, nokuba ufunyenwe esandleni sakê, wobulawa afe.

17 Otê watshabîsa uyise, nokuba ngunina, wobulawa afe.

18 Xa atê abambâna amadoda, yaza enye yambetâ uwayo ngelitye, nokuba kungenqindi, akafa, wesuka walala ngendlu;

19 Ukuba utê wavuka, wahambâ pândle esimelela: mayingabi natyala leyo yambetâyo, kodwa yomnika indleko yexesha lake, impîlise apîle.

20 Xa atê umntu wambetâ umkônzi wakê, nokuba ngumkônzazana wakê ngentonga, wafa ngesandla sakê: wopîndezelwa ngenene.

21 Kodwa ukuba utê wahlala akafa, usuku, nokuba zintsuku: makungapîndezelwa; kuba uyimali yakê.

22 Xa atê amadoda abambâna ngezihlwitâ, agila umfazi emitî, wapûma isisu, akwenzakala nto noko: makahlauliswe ngenene umfo-lowo, njengoko iya kubeka pézu kwake indoda yalomfazi, arole ngokwelizwi labahluli.

23 Ukuba utê wenzakala, uz'ufole umpêfumlo ngompefumlo,

24 Iliso ngeliso, izinyo ngezinyo, isandla ngesandla, unyawo ngonyawo,

25 Ukutshiswa ngokutshiswa, inxeba ngenxeba, umvumbô ngomvumbô.

26 Xa atê umntu wambetâ esweni umkônzi wakê, nokuba utê wambetâ esweni umkônzazana wakê, latŷapâka: makamndulule ekûlulekile ngenxa yeliso lakê.

27 Ukuba utê wakûmla izinyo lomkônzi wake, nokuba lelomkônzazana wakê: makamndulule ekûlulekile ngenxa yezinyo lakê.

28 Ke xa inkomo itê yahlaba indoda, nokuba yinkazana, yafa: lonkomo mayigityiselwe ngamatye, ingadliwa inyama yayo; umnini-nkomo woba msulwa.

29 Ke ukuba inkomo leyo ibihlaba kakade, waza waziswa umniniyo, akayigcina noko, yaza yabulala indoda, nokuba yi-

Digitized by Google

nkazana: mayigityiselwe ngamatye inkomo-leyo, kananjalo nomniniyo makabulawe.

30 Ukuba utê wamiselwa intlaulo yokuzicamagushela, makayifole akûlule umpêfumlo wakê, ngako konke akumiselweyo.

31 Nokuba ihlabe unyana, nokuba ihlabe intombî: makwenziwe kuye ngelosiko.

32 Ukuba inkomo yakê itê yahlaba umkônzi, nokuba ngumkônzazana: makafolele inkosi yakê i-shekele ze-silvere ezimashumi matâtû, inkomo yona igityiselwe ngamatye.

33 Xa umntu atê wavula umhādi, naxa umntu atê wembâ umhādi, akawuvingca, kweyela inkomo, nokuba li-esile kuwo:

34 Umnini-mhādi woyimisela, ambuyisele umniniyo ngemali, leyo ifileyo ibe yeyakê.

35 Xa itê inkomo yomntu yahlaba inkomo yowabo, yafa: mabatêngise ngenkomo-leyo ipîlileyo, bayahlule imali yayo; kananjalo mabayahlule leyo ifileyo.

36 Ukuba kwakusâzeka ukuba inkomo-leyo ibihlaba kakade, akayigcina umniniyo: makayimisele inkomo ngenkomo, leyo ifileyo ibe yeyakê.

22 Xa umntu atê webâ inkomo, nokuba yigusha, wayixêla, mhlaumbî watêngisa ngayo: makadliwe inkomo zibe ntlanu ngenkomo-leyo, izimvu zibe ne ngemvu leyo.

2 Ukuba isela litê lafunyanwa ligqoba *indlu*, labetwa lafa: akukô tyala lagazi kulowo.

3 Ukuba lipûnyelwe lilanga lobakô ityala legazi kulowo. Lonto maliyimisele ngokuzeleyo; ukuba alinanto, makutêngiswe ngalo ngenxa yobusela balo.

4 Ukuba itê yafunyanwa isesandleni salo, okanye ipîlile lonto ibiweyo, nokuba yinkomo, nokuba li-esile, nokuba yigusha, maliyibuyise nganto mbini.

5 Xa umntu atê wadlisa intsimi, nokuba sidiliya, wavulela inkomo zakê, zayidla intsimi yomnye: makamisele ngeyona nto intle yentsimi yakê, nangeyona nto intle yesi-diliya sakê.

6 Xa kutê kwatsha umlilo, wafumanana nentango, watshisa izitâ zenqôlowa, nokuba yemiyo, nokuba yintsimi: lowo uwutshisileyo makazimisele ezonto.

7 Xa atê umntu wanikela uwabo imali nokuba yimpahla ukuba ayigcine, yaza yabîwa endlwini yalomntu; ukuba litê lafunyanwa isela elo: maliyibuyekeze kabini.

8 Ukuba litê alafunyanwa isela: umninindlu makasondezwe ku-Tîxo,[1] afunge ukuba akayipâtânga impahla yowabo lowo.

9 Ngenxa yento zonke zokona, ngenxa yenkomo, ye-esile, yegusha, yengubo, nangenxa yento zonke ezidakileyo, ezifaniswayo: londawo yabo bobabini yoya pâmbî ko-Tîxo; otê wagwetywa ngu-Tîxo,[1] wombuyekeza kabini uwabo.

10 Xa atê umntu wanika uwabo i-esile, nokuba yinkomo, nokuba yigusha, nokuba yiyipi into ezitô zine, ukuba ayigcine; yaza yafa, mhlaumbî yapûka, mhlaumbî yatînjwa, kungaboni bani:

11 Makubekô ukufunga u-Yehova pâkatî kwabo bobabini, ukuba akayipâtanga impahla yowabo; makamkele oko umniniyo, lomntu angayimiseli.

12 Ukuba ibiwe yabîwa ikuye: woyimisela kumniniyo.

13 Ukuba iqwengiwe, woyizisa ibe linqîna; makangayimiseli into eqwengiweyo.

14 Xa atê umntu waboleka inkomo kuwabo, yaza yapûka, mhlaumbî yafa engekô umniniyo, makayimisele.

15 Ukuba itê yenzakala ekô umniniyo, makangayimiseli; ukuba ibitê yaqeshwa, ibihambèle ingqesho yayo.

16 Xa atê umntu wafwebesha intombî engaganiweyo, walala nayo: woyilobola ibe ngumkakê.

17 Ukuba uyise wayo walile kanye ukumnika: makafole imali njengekâzi lazo intombî.

18 Umkâfulikazi uz' ungamyeki adle ubomi.

19 Bonke abatê balala inkomo mababulawe bafe.

20 Obingelela kutîxo ongenguye u-Yehova yedwa, makasingelwe pântsi.

21 Umpâmbûkeli uz'ungamxinzeleli pântsi, ungamxini; kuba naningabapâmbûkeli nani ezweni lase-Yiputa.

[1] Abagwebi.

Digitized by Google

22 Yonke into engumhlolokazi nenkedama uz'ungayicinezeli.
23 Ukuba utê wabacinezela nangayipîna indlela, bakâla kum: ndokuva ukukâla kwabo;
24 Uvutê umsindo wam, ndinibulale ngerele; babe ngabahlolokazi abafazi benu, babe zinkedama abantwana benu.

25 Ukuba utê wababoleka imali abantu bam abazintsizana abanawe: uz'ungabi kubo njengomboleki-mali: uz'ungababizi nzala.
26 Ukuba uwenu ubambîse ngengubo yakê kuwe: woyibuyisela kuye, lingekatshoni ilanga.
27 Kuba yona ikupêla kwesigubungelo anaso, yingubo yakê yomzimbâ wakê; wolala nganto-ni-ke? kotî, xa atê wakâla kum, ndive; kuba ndinenceba.

28 U-Tîxo uz'ungamtshabîsi, nesikûlu ebantwini bakowenu uz'ungasiqalekisi.
29 Indyebo yakô nencindi *yemiti yakô*, uz'ungalibali ukundinika. Onyana bakô bamazibulo uz'undinike.
30 Uze wenje njalo ngenkomo yakô, nangempahla yakô emfutshane: mayibe kunina intsuku ezisixênxe, uti ngosuku lwesibozo undinike.
31 Noba ngabantu abangcwele kum; inyama yento eqwengiweyo endle zeningayidli; noyipôsa ezinjeni.

23 Uz'ungatûtî ludaba lukôhlakeleyo; uz'unga ncedisani nongendawo ukuba ube linqîna logonyamelo.
2 Uz'ungalandeli isininzi ukuya kwenza izinto ezimbî; ungatî ukunqîna kwimbâmbâno *ekôyo*, ujike ulandele isininzi, uyijike *inyaniso*.
3 Uz'ungasicengi isisweli ekubambâneni kwaso nomnye.

4 Xa utê waqubisana nenkomo yotshaba lwakô, nokuba li-esile lalo lilahleka: wolibuyisela kulo.
5 Xa utê walibona i-esile lokutîyileyo lisadalele pântsi komtwalo walo: mus' ukumyekela, likûlule umkûlulise.

6 Uz'ungasijiki isigwebo sehlwempu lakô ekubambâneni kwalo *nomnye*.
7 Zikwêlelise kude entweni ebubuxoki; mus' ukumbulala omsulwa nolilungisa: kuba andiyi kumgwebela ongendawo.
8 Uz'ungamkeli sicengo; kuba isicengo esi siyabamfamekisa ababonayo, sipênula imicimbî yamalungisa.
9 Uz'ungamxini umpâmbûkeli; niyawazi nina umpêfumlo wompâmbûkeli, kuba naningabapâmbûkeli nani ezweni lase-Yiputa.

10 Wowuhlwayela umhlaba wakô iminyaka emitândatû, ubutê iziqâmo zawo;
11 Ke ngowesixênxe wowuyeka ulale, adle amahlwempu abantu bakowenu; okuseleyo kuwo kudliwe zinyamakazi. Wenje njalo ngesidiliya sakô, nangesinquma sakô.
12 Wowusebenza umsebenzi wakô imihla emitândatû, upûmle ngomhla wesixênxe, ipûmle inkomo yakô ne-esile lakô, akê apêfumle unyana womkônzazana wakô nompâmbûkeli.
13 Zonke izinto endizitêtîleyo kuni, zigcineni; igama latîxo bambi uz'ungalikânkanyi, lingaviwa emlonyeni wakô.

14 Wondenzela umtêndeleko katâtû ngonyaka.
15 Umtêndeleko wezonka ezinge nagwele uz'uwugcine, udle izonka ezinge nagwele imihla esixênxe, njengoko ndakuwiselayo umtêtô, ngexesha elimisiweyo lenyanga engu-Abibi; kuba wapûma ngayo e-Yiputa; makungabonakali bani pâmbî kwam engapêtê lutô.
16 Nomtêndeleko wexa lokuvuna wentlahlela yemisebenzi yakô yokuhlwayela entsimini, nomtêndeleko wokuhlanganisa osekupêleni konyaka ekuhlanganiseni kwakô imisebenzi yako entsimini.
17 Izihlandlo ezitâtû ngonyaka, mayibonakale yonke into eyindoda yakowenu pâmbî kwe-Nkosi u-Yehova.

18 Uz'ungalibingeleli pêzu kwento enegwele igazi lombingelelo wam; nenqatâ lomtêndeleko wam malingabi ngumbeko.
19 Ingqalo yentlahlela yomhlaba wakô uz'uyizise endlwini ka-Yehova u-Tîxo wakô. Uz'ungalipêki itakane ngobisi lonina.

20 Uyabona, nditûma isitûnywa pâmbî kwakô, ukuba sikugcine endleleni, sikufikise endaweni endiyilungisileyo.

Digitized by Google

21 Silumkele, ulipûlapûle izwi laso. Mus' ukusipîkisa; kuba asiyi kuluxolela uřeqo lwenu; kuba igama lam likuso.

22 Ke ukuba utê waliva izwi laso, wenza konke endikutêtâyo: ndoba lutshaba kwintshaba zakô, ndibabandezele ababandezeli bakô.

23 Kuba isitûnywa sam sohambâ pâmbî kwakô, sikufikise kuma-Amori, nama-Hiti, nama-Perizi, nama-Kanan, nama-Hivi, nama-Yebusi: ndiwabetê atî-shwaka.

24 Uz'ungaqubudi kotîxo babo, ungabakônzi, ungenzi ngokwemisebenzi yabo; uz'uzigungxule, uziqêkeze nokuziqêkeza izimiso zabo zamatye,

25 Nikônze u-Yehova u-Tîxo wenu, asisikelele isonka sakô namanzi akô; ndisisuse isifo pâkatî kwakô.

26 Akuyi kubakô kupûnza nakudlola ezweni lakô; inani lemihla yakô ndolizalisa.

27 Ndiya kuzitûma pâmbî kwakô izitûso zam, ndibadubadube bonke abantu oyakufika kubo, intshaba zakô zonke ndizenze zikunikele ikôsi.

28 Nditûme onomeva pâmbî kwakô, bawagxotê ama-Hivi, nama-Kanan, nama-Hiti, asuke pâmbî kwakô.

29 Andiyi kuwagxotâ pâmbî kwakô ngamnyaka mnye, hleze ilizwe kube senkangala kulo, ande amafamncwa asendle pêzu kwakô.

30 Ndiya kuman'ukuwagxotâ kancinane, pâmbî kwakô, ude wande ulidle ilifa ilizwe;

31 Ndiyimise imida yakô, itâbatêle ku-Lwandle olubomvu, ise kulwandle lwama-Filisti; itâbatêle entlango, ise kuwo um-Lambô; kuba abemi belolizwe ndiya kubanikela esandleni sakô, ubagxotê pâmbî kwakô.

32 Uz'unganqopîsani nabo, kwa notîxo babo;

33 Ize bangemi kwelozwe lakô, hleze bakwenze undône. Xa utê wabakônza otîxo babo, inene, oko koba ngumgibe kuwe.

24 Watî-ke ku-Moses, Nyuka uye ku-Yehova wena no-Aron, u-Nadabi no-Abihu, namashumi asixênxe kumadoda amakûlu akwa-Sirayeli, niqubude nikude;

2 Kusondele u-Moses yedwa ku-Yehova; bangasondeli bona, nabantu bangenyuki naye.

3 Waya u-Moses, wabaxelela abantu onke amazwi ka-Yehova namasiko onke. Bapêndula bonke abantu ngazwi nye, batî, Onke amazwi awatêtîleyo u-Yehova sowenza.

4 Wawabâla u-Moses onke amazwi ka-Yehova, wavuka kusasa, wakâ isibingelelo, emazantsi entaba, nezimiso zamatye zalishumi elinazibini ngokwezizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

5 Watûma abafana bakonyana bakwa-Sirayeli, banyusa amadini anyukayo, babingelela imibingelelo yoxolo, inkunzi ezintsha zenkomo, ku-Yehova.

6 U-Moses watâbatâ isiqingatâ segazi wasigalela ezidendelekweni, esinye isiqingatâ segazi wasitshiza esibingelelweni.

7 Watâbatâ incwadi yomnqopîso, wayilesa ezindlebeni zabantu; batî bona, Yonke into ayitêtîleyo u-Yehova soyenza siyive.

8 Walitâbatâ u-Moses igazi, wabatshiza abantu ngalo, watî, Nalo igazi lomnqopîso awenzayo u-Yehova nani ngalamazwi onke.

9 Wenyuka u-Moses no-Aron, u-Nadabi no-Abihu, namashumi osixênxe kumadoda amakûlu akwa-Sirayeli.

10 Bambona u-Tîxo wama-Sirayeli; pântsi kwenyawo zakê kwakunjengento eyenziwe nge-safire eqaqambîleyo, njengenqu yezulu lisile.

11 Amanene onyana baka-Sirayeli akawasanga sandla. Ambona-ke u-Tîxo, adla asela.

12 Watî u-Yehova ku-Moses, Nyuka uze kum entabeni, ube kôna, ndikunike amacwecwe amatye enomyalelo nomtêtô, endiwubâlele ukuze bayalwe ngawo.

13 Wesuka u-Moses no-Yoshuwa umlungiseleli wakê, wenyuka-ke, u-Moses waya entabeni ka-Tîxo.

14 Watî kumadoda amakûlu, Hlalani, nisilinde apô, side sibuye, size kuni. Yabonani, u-Aron no-Hure banani: Onendawo yokumangala makasondele kubo.

15 Wenyuka-ke u-Moses waya entabeni; ilifu layigubungela intaba.

16 Ubuqaqauli buka-Yehova bahlala pêzu kwentaba ye-Sinayi; ilifu layigubungela intsuku ezintandatû; wamemeza ku-Moses ngosuku lwesixênxe pâkatî efini.

Digitized by Google

17 Ke ukubonakala kobuqaqauli buka-Yehova, emehlweni onyana baka-Sirayeli, kwakunjengomlilo otshayo encotsheni yentaba.

18 Wangena u-Moses pâkatî efini, wenyuka-ke intaba u-Moses; waba sentabeni apô imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane.

25 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watî, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, bandizisêle umfumo; nowutâbatâ umfumo wam ebantwini bonke abanikela ngokuqûtywa yintliziyo.

3 Nguwo lo-ke umfumo eniya kuwutâbatâ kubo: i-golide ne-silvere no-bêdu;

4 Nento emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo, noboya be-bôkwe;

5 Nezintsú zenkunzi zezimvu zenziwe zayingqombêla, nezikûmbâ zemvubu, nemingampunzi,

6 I-oli yesikânyiso, ubulawu be-oli yentambîso, nobesiqûmiso esiqôliweyo;

7 Amatye e-berilo, namatye okufakwa e-efodini, nawobengo.

8 Bandenzele indawo engcwele, ndihlale pâkatî kwabo.

9 Njengako konke endkubonisa kôna: ngokomfanekiso womnquba, nomfanekiso wempahla zawo zonke, ize nenje njalo ukuwenza.

10 Benze umkômbê ngomngampunzi: ubude bawo bube zi-kubite zombîni ezinesiqingata, ububanzi bawo bube yi-kubite ene-siqingata ukupâkama kwawo kube yi-kubite ene-siqingata;

11 Uwaleke ngegolide ecocekileyo, uwaleke ngapâkatî nangapândle, uz'uwutî-jize ngesitsaba se-golide;

12 Uwutŷidele amakônco e-golide abe mane, uwafake emilenzeni yawo yomine, amakônco abe mabini ngeli icala, amakônco abe mabini ngeliya icala;

13 Wenze izibonda ngomngampunzi, uzaleke nge-golide,

14 Uzifake izibonda-ezo emakôncweni asemacaleni omkômbê, utŵalwe ngazo umkômbê lowo.

15 Zoba semakôncweni omkômbê izibonda ezo, zezingafolwa kuwô.

16 Isinqîno endiya kukunika sona uz'usibeke emkômbêni.

17 Wenze isihlalo sokucamagusha ngegolide ecocekileyo: ubude baso bube zikubite ezimbîni ezinesiqingata, ububanzi baso bube yi-kubite ene-siqingata.

18 Wenze i-kerubi zibe mbîni nge-golide, ukuzenza wozikânda, zivele ezipêlweni zozibini zesihlalo sokucamagusha;

19 Wenze i-kerubi ibe nye ivele esipêlweni seli icala, enye i-kerubi ivele esipêlweni seliya esihlalweni sokucamagusha; wozenza i-kerubi zivele ezipêlweni zaso zozibini;

20 I-kerubi ziwolule amapîko pêzulu, zisisitêlise ngamapîko azo isihlalo sokucamagusha, ubuso bazo bukângelane, bubêke esihlalweni sokucamagusha ubuso bekerubi ezo;

21 Usibeke isihlalo sokucamagusha pêzu komkômbê; ufake emkômbêni isinqîno endiya kukunika sona.

22 Ndiya kuhlangana nawe kôna, nditêtê nawe ndisesihlalweni sokucamagusha, pâkatî kwe-kerubi zombîni ezipêzu komkômbê wesinqîno, ngento zonke endiya kukuwisela umtêtô ngazo konyana baka-Sirayeli.

23 Wenze ne-tafile ngomngampunzi: ubude bayo boba zi-kubite ezimbîni, ububanzi bayo bube yi-kubite, ukupâkama kwayo kube yi-kubite ene-siqingatâ;

24 Uyaleke ne-golide ecocekileyo, uyenzele isitsaba se-golide esitê-jize;

25 Uyenzele udini olungangobubanzi besandla ngenxa zonke, ulwenzele udini lwayo isitsaba se-golide esitê-jize;

26 Uyenzele amakônco e-golide abe mane, uwafake amakônco omane ezimbômbê ni zozine ezisemilenzeni yayo yomine.

27 Oba kufupî nokuhlangana kodini amakônco lawo, abe zindawo zokufaka izibonda zokuyitŵala i-tafile;

28 Uzenze izibonda ezo ngomngampunzi, uzaleke nge-golide, itŵalwe ngazo itafile;

29 Wenze izikotile zayo, nenkambâ zayo, nendebe zayo, nemicepê yayo ekuya kutûngwa ngayo; uzenze nge-golide ecocekileyo;

30 Ubeke e-tafileni izonka zokubonisa pâmbî kwam ngamaxesha onke.

31 Wenze nesipâtô sezibane nge-golide ecocekileyo. Ukusenza wosikânda isipâtô eso: isikôndo saso, nesibili saso, nendebe zaso, namanqanam aso, nentyantyambô zaso zivele kwakuso;

Digitized by Google

32 Amasebe amatândatû avele emacaleni aso; amasebe amatâtû esipâtô avele kweli icala laso, amasebe amatâtû esipâtô avele kweliya icala laso;

33 Zibe ntatû indebe ezifana nentyantyambô ze-amangile, zinamaqîna nentyantyambô kweli isebe; nendebe ezintatû ezifana nentyantyambô ze-amangile, zibe zinamaqîna nentyantyambô kweliya isebe; makube njalo kumasebe omatândatû avela esipâtŵeni eso;

34 Zibe ne indebe esipâtŵeni ezifana nentyantyambô ze-amangile, zinamaqîna aso nentyantyambô zaso;

35 Ibe liqîna pântsi kwamasebe omabini livele kuso, ibe liqîna pântsi kwamasebe amabini livele kuso, ibe liqîna pântsi kwamasebe amabini livele kuso, abe ngawamasebe amatândatû avelayo esipâtŵeni eso;

36 Amaqîna awo, namalungu awo avele kuso: sonke sipêla sibe ngumkândo omnye we-golide ecocekileyo.

37 Wenze izibane zaso zibe sixênxe, uzimise izibane zaso, zikânyisele icala elikângelene nompâmbîli waso.

38 Nozenza izifinyiso zaso, nengcedevu zaso, ngegolide ecocekileyo.

39 Nosenza nge-talente ye-golide[1] ecocekileyo, sona nezompahla zonke.

40 Kângela-ke, uzenze ngokomfuziselo wazo, owawubona entabeni.

26 Ke umnquba uz'uwenze ngeshumi lamalengalenga e-linen ecikizekileyo epôtîweyo, nangemisonto emsi nemfusa nebomvu. Woyenza i-kerubi umsebenzi wencibi yokuluka.

2 Ubude belengalenga lilinye boba zi-kubite ezimashumi mabini anesibôzo; ububanzi belengalenga lilinye bube zi-kubite ezine; onke amalengalenga alingane.

3 Amalengalenga amahlanu ohlanganiswa elinye nelinye; namalengalenga amahlanu ohlanganiswa elinye nelinye;

4 Wenze amasango emisonto emsi empêtŵeni welinye ilengalenga, ekupêleni, ekuhlanganeni; wenje njalo empêtŵeni welengalenga lokugqibela, ekuhlanganeni, kwelesibini.

5 Wowenza amasango abe mashumi mahlanu kwelinye ilengalenga; wenze amasango abe mashumi mahlanu ekupêleni kwelengalenga elisekuhlanganeni kwelesibini, ukuze amasango alungelelane elinye nelinye;

6 Wenze amagwegwe e-golide abe mashumi mahlanu, uwahlanganise amalengalenga elinye nelinye ngamagwegwe lawo, ube mnquba-mnye.

7 Wenze amalengalenga ngoboya bebôkwe abe yin-tente pêzu komnquba, uwenze amalengalenga lawo abe lishumi elinalinye.

8 Ubude belengalenga lilinye boba zi-kubite ezimashumi matâtû; ububanzi belengalenga lilinye boba zi-kubite ezine: lomalengalenga alishumi elinalinye olingana.

9 Wowahlanganisa odwa amalengalenga amahlanu, namalengalenga amatândatû odwa; elesitândatû ilengalenga ulipînde pâmbî kwen-tente ngapâmbîli;

10 Uwenze amasango abe mashumi mahlanu empêtŵeni welengalenga elo lokugqibela, ekuhlanganeni namasango, abe mashumi mahlanu empêtŵeni welesibini ilengalenga elihlanganiswe nelinye;

11 Wenze amagwegwe obêdu abe mashumi mahlanu, uwafake amagwegwelawo emasangweni, uyihlanganise in-tente ibe nye.

12 Ke ukwanekwa kwendawo egqitiseleyo emalengalengeni en-tente, soti isiqingatâ selengalenga eligqitiseleyo sanekwe kwelasemva icala lomnquba;

13 Iti i-kubite ngapâ ne-kubite ngapô, endaweni egqitiseleyo ebudeni bamalengalenga en-tente, yanekwe emacaleni omnquba ngapâ nangapô, iwugubungele.

14 In-tente uyenzele isigubungelo ngezintsú zenkunzi zezimvu, ezenziwe zayingqombéla, nesigubungelo sezikûmbâ zemvubu ngapézulu kweso.

15 Umnquba uwenzele i-planga ngomngampunzi, zime.

16 Ubude be-planga boba zi-kubite ezilishumi, ububanzi be-planga lilinye bube yi-kubite ene-siqingatâ.

17 I-planga inye yoba nempondlo ezimbini, zihlangene olunye nolunye; wenje njalo ezi-plangeni zonke zomnquba;

18 Umnquba uwenzele i-planga, zibe mashumi mabini i-planga ngecala lase-Zantsi ngase-Zantsi;

19 Wenze iziseko ze-silivere, zibe mashumi mane pântsi kwe-planga ezimashumi mabini: zibe zibini iziseko, pântsi kwe-

[1] I-talente ye-golide iziponti ezimawaka mahlanu anamakûlu mabini anamanci mahlanu.

Digitized by Google

planga inye, zempondlo zayo zombîni; zibe zibini iziseko, pântsi kwe-planga inye, zempondlo zayo zombîni;
20 Ezecala lesibini lomnquba ngelase-Ntla icala zibe mashumi mabini i-planga;
21 Neziseko zazo ze-silivere zibe mashumi mane; iziseko zibe zibini pântsi kwe-planga inye; zibe zibini iziseko pântsi kwe-planga inye.
22 Ezomva womnquba ngasentshonalanga uzenze zibe ntandatû i-planga:
23 I-planga ezimbîni uz'uzenze imbômbô zomnquba emapûndwini omabini;
24 Zibe ngamawele, zitabatêle ezantsi ukuhlangana; zibe nto nye kude kuse entloko, ziye kôncweni linye. Koba njalo kuwo omabini, abe ngawembômbô zombîni;
25 Zibe zi-planga ezisibôzo neziseko zazo ze-silivere, zibe ziseko ezilishumi elinazitândatu: zibe zibini iziseko pântsi kwe-planga inye; zibe zibini iziseko pântsi kwe-planga inye;
26 Wenze imivalo ngomngampunzi: ibe *mihlanu* ezi-plangeni zelinye icala lomnquba,
27 Ibe mihlanu imivalo ezi-plangeni zelesibini icala lomnquba, ibe mihlanu imivalo ezi-plangeni zecala lomnquba, emapûndwini ngasentshonalanga;
28 Umvalo otî-gabû pakati ezi-plangeni ezo uvale, usuka ekupêleni uye ekupêleni;
29 Uzaleke i-planga nge-golide; amakônco azo uwenze nge-golide, abe zindawo zemivalo; ke imivalo uyaleke nge-golide.
30 Uwumise umnquba ngokwesiko lawo olibonileyo entabeni.

31 Uwenze umahlulo ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo: wowenza i-kerubi umsebenzi wencibi yokuluka.
32 Uwuxôme ezintsikeni ezine zomngampunzi ezalekwe nge-golide, emagwegweni azo e-golide, zime pêzu kweziseko zozine ze-silivere;
33 Uwuxôme umahlulo emakôncweni, umkômbê wesinqîno uwungenise kôna ngapâya komahlulo, uze umahlulo unahlulele ingcwele kwiyingcwele kangcwele;
34 Usibeke isihlalo sokucamagusha pêzu komkômbê wesinqîno kwiyingcwele kangcwele;
35 Uyimise i-tafile nganeno komahlulo, usimise nesipâtô sesibane malunga netafile ngecala lomnquba langase-Zantsi; ke i-tafile uyibeke ngecala langase-Ntla.
36 Umnyango wen-Tente uwenzele isisitêliso ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo epôtîweyo, umsebenzi oyimfakamfele womluki;
37 Isisitêliso-eso usenzele intsika zibe ntlanu ngomngampunzi, uzaleke nge-golide; amagwegwe azo abe ngawe-golide; uzityîdele iziseko zobêdu zibe zihlanu.

27 Usenze isibingelelo ngomngampunzi: ubude baso bube zi-kubite ezintlanu, ububanzi baso bube zi-kubite ezintlanu, sibe mbômbô ne isibingelelo; ukupâkama kwaso kube zi-kubite ezintatû;
2 Uzenze impondo zaso ezimbômbêni zaso zozine, zivele kuso impondo zaso, usaleke ngobêdu;
3 Wenze nenkambâ zaso zokuwola utâtû lwaso, nemihlakulwana yaso, nezitya zaso zokutshiza, ne-folokwe zaso, nengcedevu zaso zamalahle; zonke impahla zaso uzenze ngobêdu;
4 Usenzele utângo, umsebenzi ongumnatâ ngobêdu; wenze emnatêni lowo amakônco abe mane ngobêdu ezipêlweni zalo zozine;
5 Ulubeke pântsi konqâmeko olujikeleze isibingelelo, lutâbatêle ezantsi, lungumnatâ, lutî-gabû pâkatî esibingelelweni;
6 Usenzele izibonda isibingelelo, izibonda zomngampunzi, uzaleke ngobêdu;
7 Zifakwe izibonda zaso emakôncweni, zibe semacaleni omabini esibingelelo izibonda ezo ekutwalweni kwaso.
8 Wosenza nge-planga sibe holoholo. Njengoko waboniswa ngako entabeni, mabenje njalo.

9 Uyenze intendelezo yomnquba kwelase-Zantsi icala ngase-Zantsi, ibe ngamawunduwundu entendelezo e-linen ecikizekileyo epôtîweyo; ubude becala lilinye boba zi-kubite ezilikûlu;
10 Intsika zayo ezimashumi mabini neziseko zazo ezimashumi mabini zibe zezobêdu; amagwegwe entsika neminqiwu yazo ibe yeye-silvere.
11 Kananjalo ngecala lase-Ntla ebudeni kubekô amawunduwundu azi-kubite ezilikûlu ubude bawo, nentsika zalo ezimashu-

Digitized by Google

mi mabini, neziseko zaso ezimashumi mabini, izezobêdu; amagwegwe entsika neminqiwu yazo ibe yeye-silvere.

12 Ububanzi bentendelezo ngecala lasentshonalanga bube ngamawunduwundu azi-kubite ezimashumi mahlanu. Intsika zawo zoba lishumi, neziseko zazo zibe lishumi.

13 Ububanzi bentendelezo ngecala lempumalanga, ngasempumalanga, bube zikubite ezimashumi mahlanu;

14 Amawunduwundu ngelinye icala lesango abe zi-kubite ezilishumi elinantlanu; intsika zawo zibe ntatû, neziseko zazo zibe zitâtû;

15 Amawunduwundu ngelinye icala lesango abe zi-kubite ezilishumi elinantlanu; intsika zawo zibe ntatû, neziseko zazo zibe zitâtû.

16 Esangweni lentendelezo sibe sisisitêliso se-kubite ezimashumi mabini semisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo, umsebenzi oyimfakamfele womluki. Intsika zazo zoba ne, neziseko zaso zibe ne.

17 Zonke intsika zentendelezo eziyijikelezileyo zoba neminqiwu ye-silivere; amagwegwe ayo abe ngawe-silivere, neziseko zazo zibe zezobêdu.

18 Ubude bentendelezo boba zi-kubite ezilikûlu; ububanzi buhambê buba ngamashumi omahlanu, amashumi omahlanu; ukupâkama kube zi-kubite ezintlanu ze-linen ecikizekileyo epôtîweyo; iziseko zazo zibe zezobêdu.

19 Zonke impahla zomnquba, ekusetyenzweni kwawo konke, nezikônkwane zawo zonke, nezikônkwane zonke zentendelezo, zoba zezobêdu.

20 Onyana baka-Sirayeli ubawisele umtêtô wokuba bakuzisele i-oli eqaqambileyo yeminquma enqûshiweyo, yesikânyiso, ukuba bamise isibane samaxesha onke,

21 En-tenteni yokuhlangana, nganeno komahlulo opâmbî kwesinqîno. U-Aron nonyana bakê bosilungisa, kutâbatêle ngokuhlwa kude kuse, pâmbî ko-Yehova, ibe ngummiselo ongunapâkade kwizizukulwana zabo, ngenxa yonyana baka-Sirayeli.

28 Wena-ke sondeza kuwe u-Aron umkûluwa wakô, enonyana bakê, umtâbatê pâkatî konyana baka-Sirayeli abe ngumenzeleleli kum: u-Aron, no-Nadabi, no-Abihu, no-Elazare, no-Itamare, onyana baka-Aron;

2 U-Aron umkûluwa wakô, umenzele izambâtô ezingcwele zibe zezozuko nezokuhombâ;

3 Utêtê wena kubo bonke abantliziyo zilumkileyo, endibazalise ngomoya wobulumko, bazenze izambâtô zika-Aron zokumngcwalisa, abe ngumenzeleleli kum.

4 Zizo-ke ezi izambâtô abaya kuzenza: ubengô, ne-efodi, nengubo yokwaleka, nengubo yangapântsi elukwe ngokwesindlwane, nonkontsho, nombînqo; bamenzeleke izambâtô ezingcwele u-Aron umkûluwa wakô, nonyana bakê, abe ngumenzeleleli kum;

5 Batâbatê bona i-golide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo.

6 Bayenze i-efodi nge-golide nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo, umsebenzi ke-lowo wencîbi yokuluka.

7 Yoba neziziba ezibini zamagxa zokuyixakatâ emipêtwêni yayo yomibini, ixakatwe-ke;

8 Nombînqo opèzu kwayo wokuyinxiba i-efodi maube njengokusetyenzwa kwayo, upûme kuyo, nge-golide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo;

9 Utâbatê amatye e-berilo abe mabini, uŕole kuwo amagama onyana baka-Sirayeli:

10 Amagama amatândatû abo oba kwelinye ilitye, namagama amatândatû amanye abe kwelesibini ilitye ngokwenzala zabo.

11 Wowaŕola amatye omabini, ngokomsebenzi womŕoli wamatye, ngoŕolo lomsesane wokutywina, ngokwamagama onyana baka-Sirayeli, uwabîjele ngomluko we-golide,

12 Uwabeke amatye omabini ezizibeni zamagxa e-efodi, abe ngamatye esikûmbûzo konyana baka-Sirayeli; awatwâle u-Aron amagama abo pâmbî ko-Yehova ezizibeni zamagxa akê omabini, abe sikûmbûzo.

13 Wenze nemiluko ye-golide;

14 Nentsontelo ezimbîni ze-golide ecocekileyo uzenze zitî-shinyi, zibe ngumse-

Digitized by Google

benzi osontiweyo, uzifake intsontelo ezo zisontiweyo emilukweni ye-golide.

15 Ulwenze ubengo lwesigwebo, umsebenzi ke-lowo wencîbi yokuluka, ulwenze njengokwenziwa kwe-efodi, ulwenze nge-golide nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo.

16 Loba mbômbô ne, lupîndwe: ubude balo bube kukolulwa kweminwe,[1] ububanzi balo bube kukolulwa kweminwe;

17 Ufake kulo imifakwa yamatye, imiřozo emine yamatye; ibe luřozo lwe-sadiyo, ne-topazi, ne-smarado, luřozo lokuqala-ke olo;

18 Uřozo lwesibini lube yi-rubi, ne-safiro, ne-kalikedo;

19 Uřozo lwesitâtû lube yi-akinto, ne-agati, ne-ametisto;

20 Uřozo lwesine lube yi-krizolito, ne-berilo, ne-yaspi; ibe ngumluko we-golide ekufakweni kwawo;

21 Amatye lawo abe ngokwamagama onyana baka-Sirayeli, abe lishumi elinamabini ngokwamagama abo; abe nořolo lomsesane wokutywina, litî elo libe negama lalo ngokwamagama ezizwe ezilishumi elinazibini.

22 Wenze elubengweni intsontelo ezitêshinyi, umsebenzi ke-lowo osontiweyo nge-golide ecocekileyo;

23 Wenze elubengweni amakônco abe mabini nge-golide, uwafake lomakônco mabini emancamini omabini obengo;

24 Uzifake intsontelo zombini ze-golide esontiweyo, emakôncweni amabini asemancamini obengo;

25 Namancam omabini entsontelo zombîni uwafake emilukweni yomibini, uwafake ezizibeni zamagxa e-efodi, pâmbîli kuyo;

26 Wenze amakônco amabini nge-golide, uwafake emancamini omabini obengo, empêtweni walo okwicala elikângelene ne-efodi, elibêke ngapâkatî;

27 Wenze amanye amakônco amabini ngegolide, uwafake ezizibeni zozibini zamagxa e-efodi ngapântsi, mayela nompâmbili wayo, kufupî nokuhlangana kwayo, entla kombînqo we-efodi,

28 Ulunxibelele ubengo ngamakônco alo emakôncweni e-efodi ngentsontelo yemisonto emsi, lube sentla kombînqo we-efodi, ukuze lungasuki ubengo kuyo i-efodi;

29 Awatwale u-Aron amagama onyana baka-Sirayeli elubengweni lwesigwebo pêzu kwentliziyo yakê, ekungeneni kwakê engcweleni, luhlale lusisikûmbûzo pâmbi ko-Yehova;

30 Ufake elubengweni lwesigwebo i-Urim ne-Tumim, zibe pêzu kwentliziyo ka-Aron ekungeneni kwakê pâmbî ko-Yehova, ahlale etwele u-Aron isigwebo sonyana baka-Sirayeli pêzu kwentliziyo yakê pâmbî ko-Yehova.

31 Ingubo yokwaleka ye-efodi uyenze yonke ngemisonto emsi;

32 Umqala wamantla ayo ube sesazulwini sayo; umqala ube nompêtô owujikelezileyo, ongumsebenzi womluki, ube njengomqala wesigcina-sifuba kuyo, ukuze ingařazuki;

33 Wenze emqukumbêlweni wayo ngasezantsi i-ŕarnate ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, zizunguleze emqukumbêlweni wayo, namankenteza e-golide pâkatî kwazo azunguleze.

34 Kobakô inkenteza le-golide ne-ŕarnate, inkenteza le-golide ne-ŕarnate emqukumbêlweni wengubo yokwaleka, kuzunguleze;

35 Ayinxibe u-Aron, ukuba alungiselele; sivakale isandi sayo ekungeneni kwakê engcweleni pâmbî ko-Yehova, nasekupûmeni kwakê, ukuze angafi.

36 Wenze imbâsa nge-golide ecocekileyo, uřole kuyo ngořolo lomsesane wokutywina *utî*, Ingcwele ku-Yehova;

37 Uyifake umtya wemisonto emsi, inxitywe elunkontshweni; yoba ngapâmbîli elunkontshweni;

38 Ibe sebunzi ku-Aron, ukuze abutwale u-Aron ubugwenxa bezinto ezingcwele, abazingcwalisayo onyana baka-Sirayeli eminikelweni yabo yonke engcwele, ihlale isebunzi kuye, ukuze zibakôlekise zona pâmbî ko-Yehova;

39 Uyiluke ingubo yangapântsi nge-linen ecikizekileyo, unkontsho ulwenze nge-linen ecikizekileyo, uwenze nombînqo ngokomsebenzi oyimfakamfele womluki.

40 Ubenzele onyana baka-Aron ingubo zangapântsi, ubenzele umbînqo, ubenzele neminqwazi ibe yeyozuko neyokuhombâ;

41 Uzinxibe ku-Aron umkûluwa wakô, nakonyana bakê benaye, ubatâmbîse, uzizalise izandla zabo, ubangcwalise babe ngabenzeleleli kum;

[1] Ukolulwa kweminwe bububanzi beminwe elishumi elinamibini.

Digitized by Google

42 Ubenzele i-bûlukwe ze-linen emhlopê zokufihla ubuzé babo, zitâbatêle esinqeni zise ematângéni;

43 Bazinxibe u-Aron nonyana bakê ekungeneni kwabo emnqubeni wokuhlangana, nasekusondeleni kwabo esibingelelweni, besiza kulungiselela engcweleni, bangatwali ubugwenxa bafe: ibe ngummiselo ongunapâkade kuye, nakwimbêwu yakê emva kwakê.

29 Yiyo le into owoyenza kubo yokubangcwalisa, ukuba babe ngabenzeleleli kum: Tâbatâ inkunzi entsha, itôle lenkomo, nenkunzi zezimvu ezigqibeleleyo zibe mbîni;

2 Nesonka esinge nagwele, nemiqâtâne enge nagwele egalelwe i-oli, nezonkana ezisicaba zinge nagwele zitânjisiwe ngeoli, uzenze ngomgubo onengiweyo,

3 Uzibeke ngobozini-nye, uzisondeze ngengobozi-leyo, kwa nenkunzi entsha yenkomo, nenkunzi zezimvu zombîni;

4 U-Aron nonyana bakê ubasondeze emnyango wen-Tente yokuhlangana, ubahlambê ngamanzi;

5 Uzitâbatê, izambâtô, umnxibe u-Aron ingubo engapântsi, nengubo yokwaleka ye-efodi, ne-efodi, nobengo, umbînqise ngombînqo we-efodi;

6 Umbeke unkontsho entloko yakê, ubeke isitsaba esingcwele elunkontshweniolo;

7 Utâbatê i-oli yentambîso, uyitûlulele entloko yakê, umtâmbîse.

8 Onyana bakê-ke ubasondeze, ubanxibe ingubo zangapântsi;

9 Ubabînqise umbînqo, u-Aron nonyana bakê, ubanxibe iminqwazi, bube bobabo ubenzeleleli, bube ngummiselo ongunapâkade; uzizalise izandla zika-Aron, nezandla zonyana bâke;

10 Uyisondeze inkunzi entsha pâmbî kwen-Tente yokuhlangana, u-Aron nonyana bakê bacinezele ngezandla zabo entloko yenkunzi entsha;

11 Uyixêle inkunzi entsha pâmbî ko-Yehova emnyango wen-Tente yokuhlangana;

12 Ucapûle egazini lenkunzi entsha, uliqabe ezimpondweni zesibingelelo ngomnwe wakô; lonke igazi ulipâlazele esisekweni sesibingelelo;

13 Utâbatê wonke umhlehlo ogubungele izibilini, nomhlehlo opêzu kwesibindi, nezintso zombîni, nenqatâ lazo, uqûmisele ngazo esibingelelweni;

14 Yona inyama yenkunzi entsha nesikûmbâ sayo, nomswane wayo, uzitshise ezonto ngomlilo ngapândle kweminquba yenu: lidini lesono elo.

15 Uyitâbatê enye inkunzi yemvu leyo, u-Aron nonyana bakê bacinezele ngezandla zabo entloko yenkunzi yemvu-leyo;

16 Uyixêle inkunzi yemvu, ulitâbatê igazi layo, ulitshize esibingelelweni, ujikelezise;

17 Uyityatye inkunzi yemvu, uzihlambê izibilini zayo nentungo zayo, uzibeke pêzu kwenyama zayo, napêzu kwentloko yayo;

18 Uqûmisele ngenkunzi yemvu ipêla esibingelelweni: elo lidini elinyukayo ku-Yehova, livumbâ elitôzamisayo, kukudla kwasemlilweni ku-Yehova.

19 Uyitâbatê eyesibini inkunzi yemvu, u-Aron nonyana bakê bacinezele ngezandla zabo entloko yenkunzi yemvu-leyo.

20 Uyixêle inkunzi yemvu, ucapûle egazini layo, uliqabe esitînzini sendlebe yasekunene ka-Aron, nasesitînzini sendlebe yasekunene yonyana bakê, nasesitûpêni sesandla sabo sokunene, nakubôntsi wonyawo lwabo lwasekunene, ulitshize igazi esibingelelweni, ujikelezise;

21 Ucapûle egazini elipêzu kwesibingelelo, nase-olini yentambîso, ulifefe ku-Aron, nasezambâtweni zakê, nakonyana bakê, nasezambâtweni zonyana bakê ndawo-nye naye, bangcwaliswe-ke, yena nezambâtô zakê, nonyana bakê nezambâtô zonyana bakê ndawo-nye naye;

22 Utâbatê enkunzini yemvu amanqatâ, nomsila, nomhlehlo ogubungele izibilini, nomhlehlo opêzu kwesibindi, nezintso zombîni, nenqatâ lazo, nomlenze wasekunene; kuba yinkunzi yemvu yokuzalisa isandla;

23 Nentendana yesonka, nomqâtâne ogalelwe i-oli ube mnye, nesonkana esisicaba sibe sinye, engobozini yezonka ezinge nagwele ezipâmbî ko-Yehova,

24 Uzibeke zonke ezonto ezandleni zika-Aron, nasezandleni zonyana bakê, uzitshangatshangise zibe nguntshangatshangiso pâmbî ko-Yehova;

25 Uzitâbatê ezandleni zabo, uqûmisele ngazo esibingelelweni pêzu kwedini elinyukayo, zibe livumbâ elitôzamisayo pâ-

Digitized by Google

mbî ko-Yehova: oko kukudla kwasemlilweni ku-Yehova;

26 Utâbatê incum yenkunzi yemvu yokuzalisa izandla zika-Aron, uyitshangatshangise ibe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, sibe sisabelo sakô eso;

27 Uyingcwalise incum yomtshangatshangiso otshangatshangisiweyo, nomlenze womfumo ofunyiweyo enkunzini yemvu yokuzalisa izandla zika-Aron nezonyana bakê;

28 Ibe yeka-Aron nonyana bakê, ibe ngummiselo ongunapâkade, ipûma konyana baka-Sirayeli: kuba ingumfumo; ube ngumfumo opûma konyana baka-Sirayeli emibingelelweni yabo yoxolo, umfumo wabo ku-Yehova.

29 Izambâtô ezingcwele eziku-Aron zoba zezonyana bakê emva kwakê, batânjiswe nge-oli, bezambêtê, bazaliselwe izandla zabo kuzo.

30 Lowo ungumenzeleleli esikûndleni sakê, konyana bakê, wozambâtâ imihla esixenxe ekungeneni kwake en-Tenteni yokuhlangana ukuba alungiselele engcweleni.

31 Inkunzi yemvu yokuzalisa izandla uz'uyitâbatê, uyipêke inyama yayo endaweni engcwele;

32 Bayidle o-Aron nonyana bakê inyama yenkunzi yemvu, kwa nesonka esisengobozini, emnyango wen-Tente yokuhlangana;

33 Ezonto, bekucanyagushwe ngazo, ukuzalisa izandla zabo nokubangcwalisa, bazidle; owasemzini makangazidli, kuba zingcwele.

34 Ukuba kutê kwasala nto enyameni yokuzalisa izandla, nasezonkeni kwada kwasa, uz'uyitshise ngomlilo lonto iseleyo; ingadliwa, kuba ingcwele.

35 Wenje nje ku-Aron nakonyana bakê ngokwento zonke endikuwisele umtêtô ngazo; wobazalisela izandla zabo intsuku zibe sixênxe.

36 Wenze idini lesono ngenkunzi entsha imini ngemini, ukuze kucanyagushwe; isibingelelo usihlambûlule isono ekusicamagusheleni kwakô, usitâmbîse singcwaliswe.

37 Imihla yoba sixênxe isibingelelo usicamagushela, usingcwalise, sibe sibingelelo esiyingcwele kangcwele. Zonke izinto ezisicûkumisayo isibingelelo-eso zoba ngcwele.

38 Yiyo-ke le into oya kuyibingelela esibingelelweni: zimvana ezimnyaka-mnye zibe mbîni, imini ngemini amaxesha onke.

39 Enye imvana woyibingelela kusasa, eyesibini imvana uyibingelele lakutshon' ilanga;

40 Kwimvana yokuqala wenze isahlulo seshumi se-efa yomgubo onengiweyo ugalelwe i-oli enqûshiweyo esisahlulo sesine se-hin,[1] ndawo-nye nomnikelo otûlulwayo osisahlulo sesine se-hin yewayini;

41 Eyesibini imvana woyibingelela lakutshon' ilanga, uyenze ngokomnikelo wokudla wakusasa, nangokomnikelo walo otûlulwayo, ibe livumbâ elitôzanisayo, ukudla kwasemlilweni ku-Yehova.

42 Elo loba lidini elinyukayo lamaxesha onke kwizizukulwana zenu, emnyango wen-Tente yokuhlangana pâmbî ko-Yehova, apô ndiya kuhlangana nani kôna, ndiyêtê nawe;

43 Kon' apô ndihlangane nonyana baka-Sirayeli, bangcwaliswe ngobuqaqauli bam;

44 Ndiyingcwalise in-Tente yokuhlangana nesibingelelo, no-Aron nonyana bakê ndibangcwalise, babe ngabenzeleleli bam;

45 Ndihlale pâkatî konyana baka-Sirayeli, ndibe ngu-Tîxo wabo;

46 Bazi, ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wabo, owabakûpâyo ezweni lase-Yiputa, ukuba ndihlale pâkatî kwabo; ndingu-Yehova u-Tîxo wabo.

30 Uze wenze isibingelelo sokuqûmisela ngesiqûmiso, usenze ngomngampunzi;

2 Ubude baso bube yi-kubite, ububanzi baso bube yi-kubite, sibe mbômbô ne; ukupâkama kwaso kube zi-kubite ezimbîni, zipûme kuso impondo zaso;

3 Umpêzulu waso uwaleke nge-golide ecocekileyo, namacala aso ngenxa zonke, nempondo zaso; usitî-jize ngesitsaba segolide;

4 Usenzele amakônco abe mabini ngegolide pântsi kwesitsaba saso, ezimbômbêni zaso ezimbîni, emacaleni aso omabini, abe zindawo zezibonda, sitwalwe ngazo;

5 Uzenze izibonda ngomngampunzi, uzaleke nge-golide;

6 Usibeke nganeno komahlulo ongasemkômbêni wesinqîno, pâmbî kwesihlalo

[1] I-hin izi-kwarte ezintlanu.

Digitized by Google

sokucamagusha esipêzu kwesinqîno, apô ndiya kuhlangana nawe kôna;

7 Aqûmisele kuso u-Aron ngesiqûmiso esimnandi, imiso ngemiso. Woqûmisela ngaso ekulungiseni kwakê izibane;

8 Ekuzimiseni u-Aron izibane, lakutshon' ilanga, ahlale eqûmisela ngesiqûmiso pâmbî ko-Yehova kwizizukulwana zenu.

9 Kuso ninganyusi siqûmiso esingesesikweni, nadini linyukayo, namnikelo wakudla; namnikelo utûlulwayo ningawutûluleli kuso.

10 U-Aron makacamagushele impondo zaso kube kanye ngonyaka; ngegazi ledini lesono lokucamagusha, kube kanye ngonyaka; asicamagushele kuse kwizizukulwana zenu: siyingcwele kangcwele ku-Yehova.

11 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

12 Xa ulitâbatâyo inani lonyana baka-Sirayeli, ngokubâlelwa kwabo encwadini yomlibo wokuzalwa, mabanikele elowo imali yokucamagushela umpêfumlo wakê ku-Yehova ekubabâleni; ukuze kungabikô sibetô kubo ekubabâleni.

13 Nantsi lonto: bonke abagqitela kwababâliweyo mabanike isiqingata se-shekele ngokwe-shekele yengcwele, i-shekele-leyo izi-gera[1] ezimashumi mabini; isiqingata seshekele-leyo yoba ngumfumo ku-Yehova.

14 Bonke abagqitela kwababâliweyo, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, benyusa, mabamnike u-Yehova umfumo.

15 Isityebi asiyi kugqitisa, nosweleyo akayi kubetâ nganeno kwesiqingatâ se-shekele ukumnika umfumo u-Yehova, ukucamagushela imipêfumlo yenu.

16 Uyitâbatê imali yokucamagusha konyana baka-Sirayeli, uyinikele enkonzweni yen-Tente yokuhlangana; ukuze ibe sisikûmbûzo konyana baka-Sirayeli, pâmbî ko-Yehova, ukucamagushela imipêfumlo yenu.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,

18 Yenza uhehema lwesitya sokuhlambêla ngobêdu, noseko lwaso ngobêdu, kuhlanjelwe kuso; usibeke pâkatî kwen-Tente yokuhlangana nesibingelelo, ugalele amanzi kuso;

19 Bahlambêle kuso u-Aron nonyana bakê izandla zabo nenyawo zabo.

20 Ekungeneni kwabo en-Tenteni yokuhlangana bohlambâ ngamanzi, bangafi; nasekusondeleni kwabo esibingelelweni besiza kulungiselela nokuqûmisela ngokudla kwasemlilweni ku-Yehova;

21 Bohlamba-ke izandla zabo nenyawo zabo, ukuze bangafi; ibe ngummiselo ongunapâkade kubo, kuye lo nakwimbewu yakê kwizizukulwana zabo.

22 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,

23 Tâbatêla kuwe ubulawu bohlobo: imore ezivuzelayo ngokwayo engamakûlu amahlanu *e-shekele;* i-kinemon enobulawu ibe sisiqingata soko; amakûlu abe mabini anamanci mahlanu; nomkânzi ovumbâ limnandi amakûlu abe mabini anamanci mahlanu,

24 Ne-kasiya amakûlu abe mahlanu ngokwe-shekele yengcwele, ne-oli yeminquma ibe yi-hin;

25 Uyenze ibe yi-oli engcwele yokutâmbîsa, isiqôlo sokuqôla, umsebenzi womqôli, ibe yi-oli engcwele yokutâmbîsa;

26 Utâmbise ngayo in-Tente yokuhlangana, nomkômbê wesinqîno,

27 Ne-tafile nempahla yayo yonke, nesipâtô sezibane nempahla yazo, nesibingelelo sokuqûmisela,

28 Nesibingelelo sedini elinyukayo nempahla zaso zonke, nohehema lwesitya sokuhlambêla noseko lwaso;

29 Uzingcwalise zibe yingcwele kangcwele. Zonke izinto ezicûkumisayo zoba ngcwele.

30 U-Aron nonyana bakê ubatâmbîse, ubangcwalise babe ngabenzeleleli kum;

31 Utêtê konyana baka-Sirayeli, utî, Yoba yi-oli engcwele yokutâmbîsa kum le kwizizukulwana zenu.

32 Iz'ingagalelwa nyameni yamntu; uz'ungenzi enjengayo ngomlinganiso wayo; ingcwele yona, mayibe ngcwele kuni.

33 Umntu osukuba eqôla enjengayo, nosukuba etâbatâ kuyo ayinike ongengowakuni, wonqanyulwa angabikô ebantwini bakowabo.

34 Watî u-Yehova ku-Moses, Zitâbatêle ubulawu, i-storakis, ne-onikisi, negalebâna; ubulawu obo bube nentlak' emhlope engangxengelelweyo, ibe yimilinganiso elinganayo;

35 Wenze ngabo isiqûmiso esiqôliweyo,

[1] I-gera ezimbini ziyi-tiki enye.

Digitized by Google

umsebenzi womqôli, sigalelwe ityuwa, sihlambûlukile, singcwele;
36 Uyisile inxenye yazo icoleke, ucapûle, ubeke pâmbî kwesinqîno en-Tenteni yokuhlangana, apô ndiya kuhlangana nawe kôna; yoba yingcwele kangcwele kuni.
37 Isiqûmiso eso oya kusenza ngokomlinganiso waso, ize ningazenzeli okwenu; kuwe soba yingcwele ku-Yehova.
38 Umntu osukuba enze esinjengaso, ukuba asijoje, wonqanyulwa angabikô ebantwini bakowabo.

31 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,
2 Kângela, ndibize ngegama u-Betsaleli unyana ka-Uri, unyana ka-Huri, wesizwe sakwa-Yuda;
3 Ndamzalisa ngomoya ka-Tîxo, ngobulumko nangokuqonda nangokwazi nangobunçîbi bamashishini onke;
4 Ukuba atelekelele ayile, asebenze nge-golide nange-silivere nangobêdu,
5 Nangokufola amatye awafake, nangokufola imitî, asebenze amashishini onke.
6 Yabona, mna ndimkûpê kunye no-Aholiyabi unyana ka-Ahisamaki, wesizwe sakwa-Dan, nasezintliziyweni zabo bonke abalumkileyo entliziyweni ndibeke ubulumko, ukuze bazenze zonke izinto endikuwisele umtêtô ngazo:
7 In-tente-yokuhlangana, nomkômbê wesinqîno, nesihlalo sokucamagusha esipêzu kwawo, nempahla yonke yen-tente,
8 Ne-tafile nempahla yayo, nesipâtô sezibane esicocekileyo nempahla yaso yonke, nesibingelelo sokuqûmisela,
9 Nesibingelelo sedini elinyukayo nempahla yaso yonke, nohehema lwesitya sokuhlambêla noseko lwayo,
10 Nezambâtô zokubusa, nezambâtô ezingcwele zika-Aron umenzeleleli, nezambâtô zonyana bakê zokwenzelelela,
11 Ne-oli yokutâmbîsa, nesiqûmiso esimnandi sengcwele; benze njengako konke endikuwisele umtêtô ngakô.

12 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,
13 Wena, têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Inene, i-sabatâ zam zigcineni; kuba zingumqondiso pâkatî kwam nani kwizizukulwana zenu; ukuze nazi ukuba ndingu-Yehova oningcwalisayo;
14 Niyigcine i-sabatâ, kuba ingcwele kuni; lowo uyihlambêlayo wobulawa afe; kuba bonke abo basebenza umsebenzi ngayo, lomipêfumlo yonqanyulwa ingabikô ebantwini bakowayo.
15 Imihla emitândatû wosebenza umsebenzi ngayo, ke umhla wesixênxe yi-sabatâ kasabatâ, ingcwele ku-Yehova; bonke abo basebenza umsebenzi ngomhla wesabatâ bobulawa bafe.
16 Onyana baka-Sirayeli mabayigcineke i-sabatâ, bayenze i-sabatâ kwizizukulwana zabo: ingumnqopîso ongunapâkade.
17 Pâkatî kwam nonyana baka-Sirayeli ngumqondiso ongunapâkade; kuba imihla emitândatû u-Yehova wenza izulu nomhlaba, wapûmla ngomhla wesixênxe, wapêfumla.

18 Akukôv'ukutêtâ naye entabeni yase-Sinayi, wamnika u-Moses amacwecwe amabini esinqîno, amacwecwe amatye ebâlwe ngomnwe ka-Tîxo.

32 Ke babona abantu ukuba u-Moses ulibele, akehli entabeni, bababizela ndawonye abantu ku-Aron, batî kuye, Suk'ume, usenzele utîxo oya kuhambâ pâmbî kwetû; kuba lo-Moses, lendoda yasinyusayo ezweni lase-Yiputa, asazi ukuba uhlelwe yintonina.
2 Watî u-Aron kubo, Qâwulani amajikazi e-golide, asezindlebeni zabafazi benu nonyana benu nentombî zenu, niwazise kum.
3 Bawaqâwula-ke abantu bonke amajikazi e-golide abe sezindlebeni zabo, bawazisa ku-Aron.
4 Wawatâbatâ ezandleni zabo, wayifola *i-golide* ngentlabo, wayenza itôle elitŷidiweyo. Batî, Nanko utîxo wakô, Sirayeli, okunyusileyo ezweni lase-Yiputa!
5 Wabona u-Aron, waka isibingelelo pâmbî kwalo, wadanduluka u-Aron watî, Ngumtêndeleko ku-Yehova ngomso.
6 Bavuka kusasa ngengomso, banyusa amadini anyukayo, basondeza imibingelelo yoxolo; bahlala pântsi abantu, badla basela, besuka bema, badlala.

7 Watî u-Yehova ku-Moses, Hambâ uhle; kuba abantu bakô owabanyusayo ezweni lase-Yiputa, bonakalisile,
8 Batyekê msinya endleleni endabawisela umtêtô ngayo, bazenzele itôle elitŷidiweyo, baqubuda kulo, babingelela ku-

Digitized by Google

lo, batí, Nanko utíxo wakô, Sirayeli, okunyusileyo ezweni lase-Yiputa.

9 Watí u-Yehova ku-Moses, Ndibakângele ababantu, uyabona ngabantu abantamo ilukûni;

10 Kaloku ndiyeke, uvutê umsindo wam kubo, ndibadle, ndenze wena uhlanga olukûlu.

11 U-Moses wambongoza u-Yehova u-Tíxo wakê, watí, Yinina, Yehova, ukuba uvutê umsindo wakô kubantu bakô, obakûpíleyo ezweni lase-Yiputa ngamandla amakûlu nangesandla esitê-nqi?

12 Yinina ukuba ama-Yiputa atsho ukutí, Wabakûpêla ububi, ukuze ababulalele ezintabeni, abagqibele bemke emhlabeni? Buya ekuvutêni komsindo wakô, uzohlwaye ngobubi-obo ngenxa yabantu bakô.

13 Kûmbûla u-Abraham no-Isake no-Sirayeli, abakônzi bakô, owazifunga ngokwakô kubo, watí kubo, Ndiya kuyandisa imbéwu yenu ibe njengenkwenkwezi zamazulu, nelilizwe lonke nditêtíleyo ngalo, ndiya kulinika imbéwu yenu, ilidle ilifa ngonapâkade.

14 Wazohlwaya-ke u-Yehova ngobubi abetê uya kubenza ebantwini bakê.

15 Wajika u-Moses, wehla entabeni, enamacwecwe omabini esinqíno esandleni sakê, amacwecwe lawo ebâlwe ngamacala omabini, ebâlwe ngapâ nangapâ.

16 Amacwecwe lawo ebe ngumsebenzi ka-Tíxo, nombâlo lowo ubungumbâlo ka-Tíxo, uŕoliwe emacwecweni.

17 Waliva u-Yoshuwa izwi labantu ekudumeni kwabo, watí ku-Moses, Lizwi lemfazwe eminqubeni.

18 Watí yena, Asilizwi lakuduma kwabeyisayo, asilizwi lakukâla kwabeyiswayo, lizwi labahlabelayo nabavumayo endilivayo mna.

19 Kwatí, xa asondelayo eminqubeni, walibona itôle nomdudo. Wavutâ umsindo ka-Moses, wawalahla amacwecwe, wawaqêkeza emazants' entaba.

20 Walitâbatâ itôle ababelenzile, walitshisa ngomlilo, walisila lada lacoleka, waligewayela emanzini, waseza onyana baka-Sirayeli.

21 Watí u-Moses ku-Aron, Benze ntonina ababantu kuwe, ukuba ubazisele isono esikûlu kangaka?

22 Watí u-Aron, Umsindo wenkosi yam maungavutí. Wena uyabazi ababantu, ukuba banobubi.

23 Batí kum, Senzele utíxo oya kuhambâ pâmbí kwetû; kuba lo-Moses, lendoda yasinyusayo ezweni lase-Yiputa, asazi ukuba uhlelwe yinto-nina.

24 Ndatí kubo, Ubani one-golide makayiqâwule; bandinika-ke. Ndayipósa emlilweni, kwapûma elitôle.

25 Wababona u-Moses abantu, ukuba baqâwule umkâla, (kuba u-Aron ebebaqâwulisile umkâla, ukuba babe yintlekisa pâkatí kwabo bacâsene nabo);

26 Wema u-Moses ekungeneni eminqubeni, watí, Ongaku-Yehova, makeze kum apâ. Bantontelana kuye bonke onyana baka-Levi.

27 Watí kubo, Utsho u-Yehova u-Tíxo wakwa-Sirayeli, ukutí, Mabanxibe elowo iŕele lakê etângêni lakê, batûnge bepûma emasangweni eminquba, babulale elowo umzalwana wakê, elowo uwabo, elowo ummelwane wakê.

28 Benza onyana baka-Levi ngokwelizwi lika-Moses; kwawa ebantwini lomini ngatí ngamawaka omatâtû amadoda.

29 Watí u-Moses, Zalisani izandla zenu namhla ku-Yehova, ukuba umntu acâse unyana wakê nomzalwana wakê, itôtywe namhla intsikelelo pézu kwenu.

30 Kwatí ngengomso, u-Moses watí ebantwini, Nonile nina, nenza isono esikûlu; ndiya kunyuka ngoku ndiye ku-Yehova, mhlaumbí ndingacamagusha ngenxa yesono senu.

31 U-Moses wabuya waya ku-Yehova, watí, Yô! ababantu bonile benza isono esikûlu, bazenzela utíxo nge-golide.

32 Kâusixolele ngoko isono sabo, ukuba akunakuba-njalo, seundicima encwadini yakô oyibâlileyo.

33 Watí u-Yehova ku-Moses, Ubani osukuba onile kum ndiya kucima yena encwadini yam.

34 Ke ngoko hambâ ubalatíse abantu, baye kulondawo ndatêtâyo ngayo kuwe. Yabona, isitúnywa sam sohambâ pâmbí kwakô; ke mini ndivelelayo, ndiya kusivelela isono sabo kubo.

35 Ke u-Yehova wababulala abantu ngenxa yokuba belenzile itôle-elo walenzayo u-Aron.

33 Watí u-Yehova ku-Moses, Hambâ unyuke, umke apâ, wena na-

Digitized by Google

bantu obanyusileyo ezweni lase-Yiputa, uye kulo ilizwe endalifungela u-Abraham no-Isake no-Yakobi, ndisitî, Ndiya kulinika imbéwu yakô.

2 Ndotûma pâmbî kwakô isitûnywa, ndiwagxotê ama-Kanan, nama-Amori, nama-Heti, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi,

3 Niye ezweni elinamasi nobusi; ke andisokunyuka pâkatî kwenu nina; kuba ningabantu abantamo ilukûni, hleze ndinipêlise endleleni.

4 Baliva-ke abantu elolizwi libi, benza isijwili; akwabikô mntu uzinxibayo izivatô zakê.

5 Watî u-Yehova ku-Moses, Yitî konyana baka-Sirayeli, Ningabantu abantamo ilukûni; ndingatî ndinyuke pâkatî kwenu, ndinipêlise ngepânyazo. Ke ngoko, zikûluleni izivatô zenu, ndize ndazi endokwenza kuni.

6 Bazijaca onyana baka-Sirayeli izivatô zabo, beqalela entabeni yase-Horebe.

7 Wayitâbatâ u-Moses in-tente, wayitwabululela ngapândle kweminquba, kude neminquba, watî yin-tente yokuhlangana. Kwatîke, bonke abamfunayo u-Yehova, bapûma baya en-tenteni-leyo yokuhlangana ingapândle kweminquba.

8 Kwatî, xa u-Moses apûmayo esiya en-tenteni-leyo, besuka bema bonke abantu, walowo wema emnyango wen-tente yakê, wakângela ku-Moses, wada wayakungena en-tenteni-leyo.

9 Kwatî, xa u-Moses wangenayo en-tenteni leyo, wehla umqulu welifu, wema emnyango wen-tente-leyo; watêtâ yena no-Moses.

10 Bawubona abantu bonke umqulu welifu umi emnyango wen-tente-leyo; besuka bema bonke abantu, baza baqubuda, elowo esemnyango wen-tente yakê.

11 U-Yehova watêtâ ku-Moses, bekângelene ebusweni, njengomntu etêtâ nomhlobo wakê, wabuyela kwaseminqubeni; ke umlungiseleli wakê u-Yoshuwa unyana ka-Nun, umfana, akasukanga yena en-tenteni-leyo.

12 Watî u-Moses ku-Yehova, Uyabona, uti kum, Nyusa ababantu; ke wena akundazisanga lowo uya kunditûma naye; kanti-ke utê, Ndikwazile ngegama, kananjalo ndikubabale.

13 Ngoko ukuba undibabale, kâundazise indlela yakô, ukuze ndikwazi, ukuze undibabale, ukûmbûle ukuba oluhlanga lungabantu bakô.

14 Watî, Ubuso bam bohambâ nawe, ndikunike ukupûmla.

15 Watî kuye, Ukuba ubuso bakô abuhambî natî, musa ukusinyusa, simke apâ.

16 Kuya kwaziwa kwaziwe nganto-nina kôna, ukuba undibabale mna nabantu bako? Akungokutî-na uhambê natî, sibaluleke tîna, mna nabantu bakô, ebantwini bonke abapézu komhlaba?

17 Watî u-Yehova ku-Moses, Nalento uyitêtîleyo ndiya kuyenza; kuba ndikubabale ndikwazile ngegama.

18 Watî yena, Kâundibonise ubuqaqauli bakô.

19 Watî, Ndiya kukudlulisa konke ukulunga kwam ebusweni bakô, ndivakalise igama lika-Yehova pâmbî kwakô, ndibabale endimbabalayo, ndisikwe yimfesane kondosikwa yimfesane ngaye.

20 Watî, Akunakububona ubuso bam; kuba akukô mntu undibona apîle.

21 Watî u-Yehova, Nantsi-ke indawo ngakum; uz'ume pêzu kweliwa;

22 Kutî, ekudluleni kobuqaqauli bam ndikubeke emqôrweni weliwa, ndikugubungele ngesandla sam, ndide ndidlule;

23 Ndize ndisuse isandla sam, uwubone umva wam; ke bona ubuso bam abuyi kubonwa.

34 Watî u-Yehova ku-Moses, Ziqingqele amacwecwe amatye abe mabini njengawokuqala, ndiwabâle emacwecweni-lawo amazwi abe semacwecweni okuqala owawaqêkezayo;

2 Ulunge kusasa, unyuke kusasa, uye entabeni yase-Sinayi, ume ngakum kôna encotsheni yentaba;

3 Zekunganyuki mntu nawe, zekungabonwa mntu kuyo yonke intaba, zekungadli mpahl' imfutshane nankomo isingise entabeni-leyo.

4 Wawaqingqa amacwecwe amatye amabini njengawokuqala. Wavuka u-Moses kusasa, wenyuka waya entabeni yase-Sinayi, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô ngakô, wapâtâ esandleni sakê amacwecwe amatye omabini.

5 Wehla u-Yehova esefini, wema kôna naye, wavakalisa igama lika-Yehova.

Digitized by Google

6 U-Yehova wadlula ebusweni bakê, wavakalisa esitî, U-Yehova, u-Yehova, u-Tîxo onemfesane, onobabalo, ozeka kade umsindo, omninzi ngenceba nenyaniso;
7 Olondolozela amawaka inceba, oxolela ubugwenxa nofeqo nesono, ongakê amenze msulwa *onetyala*, obuvelelayo ubugwenxa boyise konyana nakonyana bonyana, kwesesitâtû nakwesesine isizukulwana!
8 Wakâuleza u-Moses; watôba emhlabeni, waqubuda kuye.
9 Watî, Ukuba undibabale, Nkosi yam, mayihambê pâkatî kwetû i-Nkosi yam; kuba bengabantu abantamo ilukûni; xolela ubugwenxa betû nesono setû, usenze ilifa lakô.
10 Watî, Yabona, ndenza umnqopîso; ndiya kwenza imisebenzi ebalulekileyo, engazanga idalwe emhlabeni wonke nasezintlangeni zonke, pambi kwabantu bonke bakowenu; bonke abantu opâkati kwabo wena bowubona umsebenzi ka-Yehova; ngokuba yinto eyoyikekayo endiya kuyenza kuwe.
11 Kugcine oko ndikuwisela umtêtô ngako namhla. Yabona, ndigxotâ ebusweni bakô ama-Amori, nama-Kanan, nama-Heti, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi.
12 Zigcine, hleze wenze umnqopîso nabemi belozwe ungena kulo; hleze babe ngumgibe pâkatî kwakô.
13 Nozidiliza izibingelelo zabo, niziqêkeze iziminiso zabo zamatye, nibagaule o-Ashera babo.
14 Kuba akusokuqubuda tîxweni wumbî; kuba u-Yehova ngu-Kwêle igama lakê, ngu-Tîxo onekwêle;
15 Hleze wenze umnqopîso nabemi belozwe, baze bahenyuze ngokulandela otîxo babo, babingelele kotîxo babo, bakubize udle umbingelelo wabo;
16 Uzekele onyana bakô ezintombîni zabo, zize intombî zabo zihenyuze ngokulandela otîxo babo, zihenyuzise nonyana bakô ngokubalandelisa otîxo babo.
17 Uz'ungazenzeli otîxo abatŷidiweyo.
18 Umtêndeleko wezonka ezinge nagwele uz'uwugcine. Intsuku ezisixênxe wodla izonka ezinge nagwele njengoko ndakuwisela umtêtô, ngexesha elimisiweyo lenyanga engu-Abibi; kuba wapûma e-Yiputa ngenyanga engu-Abibi.
19 Yonke into evula isizalo yeyam, nemfuyo yakô yonke evula isizalo engamaduna, nokuba yinkomo, nokuba yimvu;
20 Ke lona izibulo le-esile wolikûlula ngokulimisela ngexwâne; ukuba akutânga ulikûlule ngokulimisela, wolapûla intamo. Bonke onyana bakô bamazibulo uz'ubakûlule ngokubamisela; mabangabonakali pambî kwam bengapêtê lutô.
21 Wosebenza imihla emitândatû, ke ngomhla wesixênxe uz'upûmle; upûmle ekulimeni nasekuvuneni.
22 Uz'uwenze umtêndeleko we-veki, wentlahlela yokuvunwa kwenqôlowa, nomtêndeleko wokuhlanganisela ukutya emakâya ekupêleni konyaka.
23 Izihlandlo ezitâtû ngomnyaka, yonke into engamadoda yakowenu yobonakala ebusweni be-Nkosi u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.
24 Kuba ndiya kuzigqogqa intlanga pâmbî kwakô, ndiwenze banzi umda wakô, linganqwenelwa nangu bani ilizwe lakô, ekunyukeni kwakô usiya kubonakala ebusweni buka-Yehova u-Tîxo wakô, izihlandlo ezitâtû ngonyaka.
25 Igazi lombingelelo wam uz'ungalibingeleli pêzu kwento enegwele; nombingelelo womtêndeleko we-pasika uz'ungahlali kude kuse.
26 Ingqalo yentlahlela yomhlaba wakô uz'uyise endlwini ka-Yehova u-Tîxo wakô. Uz'ungalipêki itâkane ngobisi lonina.
27 Watî u-Yehova ku-Moses, Wabâle lamazwi; kuba ndenze ngokutêtâ kwalamazwi umnqopîso nawe no-Sirayeli.
28 Waye kôna-ke eno-Yehova imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane; akadla sonka, akasela manzi, wawabâla emacwecweni amazwi omnqopîso, lamazwi alishumi.

29 Kwatî, ekuhleni kuka-Moses entabeni yase-Sinayi, amacwecwe omabini esinqîno esesandleni sika-Moses ekuhleni kwakê entabeni, akazi u-Moses, ukuba ulusû lobuso bakê belukâzimla ekutêtêni kwakê naye.
30 U-Aron nonyana bonke baka-Sirayeli bambona u-Moses, Yini! ulusû lobuso bakê luyakâzimla; boyika ukusondela kuye.
31 Wabahiza u-Moses, babuyela kuye u-Aron nezikûlu zonke zebandla, watêtâ nazo u-Moses.

Digitized by Google

32 Emveni koko basondela bonke onyana baka-Sirayeli, wabawisela umtétô wako konke abekutétile u-Yehova kuye entabeni yase-Sinayi.
33 Wagqiba u-Moses ukutétâ nabo, wabeka isigqubutêlo ebusweni bakê.
34 Ekungeneni kuka-Moses pâmbî ko-Yehova esiya kutétâ naye, wasisusa isigqubutêlo, wada wapûma. Wapûma, watétâ konyana baka-Sirayeli oko abemwisele umtétô ngako;
35 Babubona onyana baka-Sirayeli ubuso buka-Moses, ukuba ulusú lobuso buka-Moses luyakâzimla; wabuya wasibeka u-Moses isigqubutêlo ebusweni bakê, wada wangena, wakutétâ naye.

35 Walibizela ndawonye u-Moses lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli, wati kubo, Zizo ezi indawo u-Yehova aniwisele umtétô, ukuba nizenze.
2 Wosebenza imihla emitândatû, ke umhla wesixénxe woba yingcwele kuni, isabatâ ka-sabatâ ku-Yehova; bonke abenza umsebenzi ngayo bobulawa.
3 Ize ningapêmbî mlilo ezindlwini zenu zonke ngomhla we-sabatâ.

4 Watétâ u-Moses kwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli, watî, Yiyo le indawo ayiwisele umtétô u-Yehova, utî,
5 Tâbatâni pâkatî kwenu, nise umfumo ku-Yehova; bonke abantliziyo zibaqûbayo mabazise umfumo ka-Yehova: i-golide, ne-silvere, nobêdu,
6 Nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo, noboya be-bôkwe,
7 Nezintsú zenkunzi zezimvu zenziwe zayingqombela, nezikumbâ zemvubu, nemingampunzi,
8 Ne-oli yesipâtô sezibane, nobulawu be-oli yokutâmbîsa, nobesiqûmiso esimnandi,
9 Namatye e-berilo, namatye okufakwa e-efodini naselubengweni.
10 Bonke benentliziyo elumkileyo kuni mabeze benze zonke izinto u-Yehova awise umtétô ngazo:
11 Umnquba nen-tente yawo, nesigubungelo sayo, amagwegwe ayo, ne-planga zayo, nemivalo yayo, nentsika zayo, neziseko zayo;
12 Umkômbê nezibonda zawo, isihlalo sokucamagusha, nomahlulo wokusitêlisa;
13 I-tafile nezibonda zayo, nempahla zayo, zonke, nezonka zokubonisa.
14 Isipâtô sezibane sokukânyisa nempahla yaso nezibane zaso, ne-oli yokukânyisa;
15 Isibingelelo sokuqûmisela nezibonda zaso, ne-oli yokutâmbîsa, nesiqûmiso esimnandi, nesisitêliso-somnyango emnyango womnquba;
16 Isibingelelo sedini elinyukayo, notângo lwaso lobêdu, nezibonda zaso, nempahla zaso zonke, nohehema lwesitya sokuhlambêla noseko lwaso;
17 Amawunduwundu entendelezo nentsika zayo, neziseko zayo, nesisitêliso somnyango wentendelezo;
18 Izikônkwane zomnquba, nezikônkwane zentendelezo, nezintya zazo;
19 Izambâtô zokubusa, zokulungiselela engcweleni, nezambâtô ezingcwele zika-Aron umenzeleleli, nezambâtô zonyana bakê zokwenzelelela.

20 Lemka-ke lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli pâmbî ko-Moses.
21 Beza bonke abantu abantliziyo yabavuselelayo, abo bonke bamoya wabaqûbayo, bawuzisa umfumo ka-Yehova emsebenzini wen-tente yokuhlangana nasenkonzweni yayo yonke, nasezambâtweni ezingcwele.
22 Beza-ke amadoda kwa nabafazi, bonke abantliziyo zibaqûbayo, bezisa izacôlo, namajikazi, nemisesane, nezidanga, yonke impahla ye-golide; bonke abantu ababetshangatshangise ku-Yehova umtshangatshangiso we-golide, *bawuzisa*.
23 Bonke abantu abafunyanwa benemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo, noboya be-bôkwe, nezintsú zenkunzi zezimvu zenziwe zayingqombela, nezikûmbâ zemvubu, bazizisa.
24 Bonke abafuma umfumo we-silivere, nowobêdu, bawuzisa umfumo ka-Yehova; bonke abafunyanwa benemingampunzi yomsebenzi wonke wenkonzo, bayizisa.
25 Bonke abafazi abantliziyo zilumkileyo basonta ngezandla zabo, bazizisa ezonto zisontiweyo; imisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo.
26 Abafazi bonke, abantliziyo yabavuselelayo ngobulumko, basonta uboya bebôkwe.
27 Izikûlu zazisa amatye e-berilo, na-

Digitized by Google

matye okufakwa e-efodini naselubengweni,
28 Nobulawu ne-oli yesipâtô sezibane, neyamafutâ okutâmbîsa, neyesiqûmiso esimnandi.
29 Onyana baka-Sirayeli bazisa-ke ku-Yehova umnikelo wokuqûtywa yintliziyo; nawo onke amadoda nabafazi bonke abantliziyo zabaqûbayo ukuyizisela yonke imisebenzi awawisa umtêtô u-Yehova ngesandla sika-Moses, ukuba yenziwe.

30 Watî u-Moses konyana baka-Sirayeli, Kângelani, u-Yehova umbize ngegama u-Betsaleli unyana ka-Uri, unyana ka-Huri, wesizwe sakwa-Yuda,
31 Umzalisile ngomoya ka-Tîxo, ngobulumko, nangengqondo, nangokwazi, nangobunčibi bamashishini onke,
32 Ukuba atčlekelele ayile, asebenze nge-golide nange-silvere nangobêdu;
33 Nangokufola amatye awafake, nangokufola imitî, asebenze imisebenzi yonke ngentelekelelo.
34 Ubeke entliziyweni yakê ukuyala, yena ke kwa no-Aholiyabi unyana ka-Ahisamaki, wesizwe sakwa-Dan;
35 Ubazalise ngobulumko bentliziyo, ukuba benze umsebenzi wonke wokufola, nowokuluka, ukuluka imfakamfele, ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo, neyomluki, babe ngabenzi bomsebenzi wonke, nabatčlekeleli bokuyila.

36 Basebenza-ke o-Betsaleli no-Aholiyabi namadoda onke antliziyo zilumkileyo, awawanikayo u-Yehova ubulumko nengqondo, ukuba akwazi ukusebenza yonke imisebenzi yenkonzo yengcwele, nento yonke abewise umtêtô ngayo u-Yehova.

2 U-Moses wabiza o-Betsaleli no-Aholiyabi namadoda onke antliziyo zilumkileyo, antliziyo u-Yehova wazinikayo ubulumko, onke antliziyo yawavuselelayo ukusondela emsebenzini, ukuba awenze.
3 Batâbatâ, ebusweni buka-Moses, yonke imifumo ababeyizisile onyana baka-Sirayeli emsebenzini wenkonzo yengcwele ukuba yenziwe. Baye bona bezisa kuye imiso ngemiso iminikelo yokuqûtywa yintliziyo.
4 Zeza-ke zonke izilumko ebeziyisebenza yonke imisebenzi yengcwele, saeso savela emsebenzini waso esibe siwusebenza,
5 Zatsho ku-Moses ukutî, Abantu bazisa ngapêzulu kakûlu kokwanele ukusetyenzwa komsebenzi awise umtêtô ngawo u-Yehova ukuba wenziwe.
6 Wawisa umtêtô u-Moses, ukuba kuhanjiswe ilizwi eminqubeni, lisitî, Amadoda nabafazi mabangabi senza mpahla yamfumo wengcwele. Bapêza-ke abantu ukuzisa.
7 Impahla yazanela into zonke, emisebenzini yonke, ukuba bayenze, yada yasala.

8 Bonke abantliziyo zilungileyo pâkatî kwabenza imisebenzi, bawenza umnquba, amalengalenga alishumi, nge-linen ecikizekileyo epôtiweyo, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, benza i-kerubi umsebenzi wenčibi *yokuluka*.
9 Ubude belengalenga lilinye baba zikubite ezimashumi mabini anesibôzo, ububanzi belengalenga lilinye baba zi-kubite ezine, amalengalenga alingana onke.
10 Bahlanganisa amalengalenga amahlanu elinye nelinye; bahlanganisa amalengalenga amahlanu elinye nelinye.
11 Benza amasango ngemisonto emsi empêtŵeni welinye ilengalenga, ekupêleni ekuhlanganeni; benje njalo empêtŵeni welengalenga lokugqibela, ekuhlanganeni kwelesibini.
12 Benza amasango amashumi mahlanu kwelinye ilengalenga, benza namasango amashumi mahlanu ekupêleni kwelengalenga elisekuhlanganeni kwelesebini; amasango alungelelana elinye nelinye,
13 Benza amagwegwe e-golide amashumi mahlanu, bawahlanganisa amalengalenga elinye nelinye ngamagwegwe-lawo: waba mnquba-mnye.
14 Benza amalengalenga ngoboya bebôkwe ayin-tente pêzu komnquba; bawenza amalengalenga alishumi elinalinye.
15 Ubude belengalenga lilinye baba zikubite ezimashumi matâtû, ububanzi belengalenga lilinye baba zi-kubite ezine; lomalengalenga alishumi elinalinye alingana.
16 Bawahlanganisa amalengalenga amahlanu odwa, namalengalenga omatândatû odwa.
17 Benza amasango amashumi mahlanu empêtŵeni welengalenga-eli lokugqibela

Digitized by Google

ekuhlanganeni, benza namasango amashumi mahlanu empétŵeni welesibini ilengalenga elihlanganiswe nelinye.

18 Benza amagwegwe obêdu amashumi mahlanu, ukuba ihlanganiswe in-tente, ibenye.

19 Bayenzela in-tente isigubungelo ngezintsū zenkunzi zezimvu zenziwe zayingqombela, nesigubungelo sezikûmbâ zemvubu ngapêzulu kweso.

20 Umnquba bawenzela i-planga ngomngampunzi, zema.

21 Ubude be-planga baba zi-kubite ezilishumi, ububanzi be-planga inye baba yikubite enesiqingatâ.

22 I-planga inye yanempondlo ezimbîni, zahlangana olunye nolunye; benje njalo ezi-plangeni zonke zomnquba.

23 Bazenza-ke i-planga zomnquba; zamashumi mabini i-planga ngecala lase-Zantsi ngase-Zantsi.

24 Benza iziseko ze-silivere zamashumi mane pântsi kwe-planga ezimashumi mabini; zazibini iziseko zempondlo zayo zombini pântsi kwe-planga inyè; zazibini iziseko zempondlo zayo zombîni pântsi kwe-planga inyè.

25 Ezecala lesibini lomnquba ngelase-Ntla icala benza i-planga ezimashumi mabini,

26 Neziseko zazo ze-silivere zamashumi mane: iziseko zazibini pantsi kwe-planga inyè, zazibini iziseko pântsi kwe-planga inyè.

27 Ezomva womnquba ngasentshonalanga bazenza zantandatû i-planga.

28 I-planga ezimbîni bazenza imbômbô zomnquba ngamacala, emapûndwini omabini:

29 Zangamawele, zitâbatêla ezantsi ukuhlangana, zanto nye kwada kwasa entloko, zaya kôncweni-linye; benje njalo kuwo omabini angawembômbô zombîni.

30 Zazi-planga ezisibôzo, neziseko zazo ze-silivere, zaziseko ezilishumi elinazitândatû: zazibini iziseko, zazibini iziseko pântsi kwe-planga inyè.

31 Benza imivalo ngomngampunzi; yamihlanu ezi-plangeni zelinye icala lomnquba,

32 Yamihlanu imivalo ezi-plangeni zelesibini icala lomnquba; yamihlanu imivalo ezi-plangeni zomnquba epûndwini, ngasentshonalanga.

33 Benza umvalo otî-gabû pâkatî eziplangeni-ezo, wavala, usuka ekupêleni waya ekupêleni.

34 Bazaleka i-planga nge-golide; amakônco azo bawenza nge-golide, azindawo zemivalo; ke imivalo bayaleka nge-golide.

35 Benza umahlulo ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo; bawenza ikerubi umsebenzi wencîbi yokuluka ke-lowo.

36 Bawenzela intsika ezine zomngampunzi ezalekwe nge-golide, namagwegwe azo e-golide, bazitŷidela iziseko zozine ze-silivere.

37 Umnyango wen-tente bawenzela isisitêliso ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtîweyo, umsebenzi oyimfakamfele womluki,

38 Nentsika zaso zantlanu, namagwegwe azo, bazaleka intloko zazo neminqiwu yazo nge-golide, neziseko zazo zozihlanu zazezobêdu.

37 U-Betsaleli wawenza umkômbê ngomngampunzi: ubude bawo baba zikubite zombîni ezine-siqingatâ, ububanzi bawo baba yikubite ene-siqingatâ, ukupâkama kwayo kwayikubite ene-siqingatâ.

2 Wawaleka nge-golide ecocekileyo ngapâkatî nangapândle, wawuti-jize ngesitsaba se-golide.

3 Wawutŷidela amakônco e-golide amane emilenzeni yawo yomine: amakônco amabini ngeli icala, amakônco amabini ngeliya icala.

4 Wenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka nge-golide;

5 Wazifaka izibonda ezo emakôncweni asemacaleni omkômbê, ukuba utŵalwe ngazo.

6 Wenza isihlalo sokucamagusha nge-golide ecocekileyo: ubude baso baba zikubite ezimbîni ezine-siqingatâ, ububanzi baso baba yi-kubite ene-siqingatâ.

7 Wenza i-kerubi zambîni nge-golide, ukuzenza wazikânda, zavela ezipêlweni zozibini zesihlalo sokucamagusha:

8 Enye ikerubi ivele esipêlweni-esi, enye i-kerubi ivele esipêlweni-esiya; wazenza i-kerubi esihlalweni sokucamagusha, zavela ezipêlweni zaso zozibini.

9 I-kerubi zolula amapîko pêzulu, zasisitêlisa ngamapîko azo isihlalo sokuca-

Digitized by Google

magusha; ubuso bazo bakângelana, babèka esihlalweni sokucamagusha ubuso be-kerubi.

10 Wenza ne-tafile ngomngampunzi: ubude bayo baba zi-kubite ezimbîni, ububanzi bayo baba yi-kubite, ukupâkama kwayo kwaba yi-kubite ene-siqingatâ.
11 Wayaleka nge-golide ecocekileyo, wayitî-jize ngesitsaba se-golide.
12 Wayenzela ngenxa zonke udini olungangobubanzi besandla, udini lwayo walutî-jize ngesitsaba se-golide.
13 Wayitŷidela amakônco e-golide amane, wawafaka amakônco ezimbômbèni zone ezisemilenzeni yayo yomine.
14 Aba kufupî nokûhlangana kodini amakônco lawo, aba zindawo zokufaka izibonda zokuyitŵala i-tafile.
15 Wenza izibonda-ezo ngomngampunzi, wazaleka nge-golide, ukuba itŵalwe ngazo i-tafile.
16 Wenza impahla epézu kwe-tafile, izikotile zayo, nemicepè yayo, nenkambâ zayo, nendebe zayo ekwakutûlulwa ngazo, wazenza ngegolide ecocekileyo.

17 Wenza nesipâtô sezibane nge-golide ecocekileyo. Ukusenza wasikânda isipâtô eso nesikôndo saso, nesibili saso, nendebe zaso, namaqina aso, nentyantyambô zaso zivele kwakuso.
18 Amasebe amatândatû avela emacaleni aso: amasebe amatâtû esipâtô avela kweli icala laso, amasebe amatâtû esipâtô avela kweliya icala laso.
19 Zantatû indebe ezifana nentyântyambô ze-amangile kweli isebe, zineqina nentyantyambo; nendebe ezintâtû ezifana nentyantyambo ze-amangile zakweliya isebe, zineqina nentyantyambo. Kwaba njalo kumasebe omatândatû avela esipâtŵeni-eso.
20 Zane indebe esipâtŵeni ezifana nentyantyambô ze-amangile, zinamaqina aso nentyantyambô zaso.
21 Yaliqina pântsi kwamasebe amabini livela kuso, yaliqina pântsi kwamasebe amabini livela kuso, yaliqina pântsi kwamasebe amabini livela kuso, angawamasebe amatândatû avela kuso.
22 Amaqina awo namalungu awo avela kuso sonke, sangumkândo wamnye wegolide ecocekileyo.
23 Wenza izibane zaso zasixênxe, nezifinyiso zaso, nengcedevu zaso nge-golide ecocekileyo.
24 Wasenza nge-talente ye-golide ecocekileyo, nempahla zaso zonke.

25 Wenza nesibingelelo sokuqûmisela ngomngampunzi: ubude baso baba yi-kubite, ububanzi baso baba yi-kubite, sambômbô ne, ukupâkama kwaso kwazikubite ezimbîni; zapûma kuso impondo zaso.
26 Wasaleka nge-golide ecocekileyo umpézulu waso, namacala aso ngenxa zonke, nempondo zaso, wasitî-jize ngesitsaba se-golide.
27 Wasenzela amakônco amabini ngegolide, pântsi kwesitsaba saso ezimbômbèni zaso ezimbîni, emacaleni aso omabini, azindawo zezibonda ukuba sitŵalwe ngazo.
28 Wazenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka nge-golide.
29 Wenza ne-oli engcwele yokutâmbisa, nesiqûmiso esimnandi esingangxengelelweyo, umsebenzi womqôli ke-lowo.

38 Wasenza nesibingelelo sedini elinyukayo ngomngampunzi: ubude baso baba zi-kubite ezintlanu, ububanzi baso baba zi-kubite ezintlanu, sambômbô ne; ukupâkama kwaso kwazi-kubite ezintatû.
2 Wenza impondo zaso ezimbômbeni zaso, zapûma kuso impondo zaso, wasaleka ngobêdu.
3 Wazenza zonke impahla zesibingelelo eso: inkambâ, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, nefolokwê, nengcedevu; zonke impahla zaso wazenza ngobêdu.
4 Isibingelelo wasenzela utângo, umsebenzi ongumnatâ, ngobêdu, pântsi konqâmeko olujikelezileyo, lwatâbatéla ezantsi, lwatî-gabû pâkatî.
5 Wawatŷida amakônco amane ezipélweni zozine zotângo lobêdu, azindawo zezibonda.
6 Wenza izibonda ngomngampunzi, wazaleka ngobêdu.
7 Wazifaka izibonda emakôncweni, emacaleni esibingelelo, ukuba sitŵalwe ngazo; wasenza nge-planga saholoholo.

8 Wenza uhehema lwesitya sokuhlambéla ngobêdu, noseko lwaso ngobêdu, nangento zokuzibona zabafazi ababekônza emnyango wen-tente yokuhlangana.

Digitized by Google

9 Wenza intendelezo kwelase-Zantsi icala, ngase-Zantsi, yaba ngamawunduwundu entendelezo e-linen ecikizekileyo epôtiweyo, i-kubite ezilikûlu.

10 Intsika zawo zamashumi mabini, neziseko zazo zamashumi mabini, zazezobêdu; amagwegwe entsika neminqiwu yazo yayeye-silivere.

11 Ngecala lase-Ntla *amawunduwundu* azi-kubite ezilikûlu; intsika zawo ezimashumi mabini, neziseko zazo ezimashumi mabini, zazezobêdu; amagwegwe entsika neminqiwu yazo yayeye-silivere.

12 Ngecala lasentshonalanga amawunduwundu azi-kubite ezimashumi mahlanu; intsika zawo zalishumi, neziseko zazo zalishumi; amagwegwe entsika neminqiwu yazo yayeye-silivere.

13 Ngecala lempumalanga ngasempumalanga azi-kubite ezimashumi mahlanu.

14 Amawunduwundu asingisa kwelinye icala *lesango* azi-kubite ezilishumi elinantlanu; intsika zawo zantatû, neziseko zazo zazitâtû.

15 Ngelinye icala lesango lentendelezo ngapâ nangapâ angamawunduwundu e-kubite ezilishumi elinantlanu; intsika zawo zantatû, neziseko zazo zazitâtû.

16 Onke amawunduwundu entendelezo ajikelezileyo angawe-linen ecikizekileyo, epôtiweyo.

17 Iziseko zentsika zazezobêdu; amagwegwe entsika neminqiwu yazo yayeye-silivere, nokwalekwa kwamantloko azo kwayi-silivere; iminqiwu yentsika zonke zentendelezo yayeye-silivere.

18 Isisitèliso sesango lentendelezo sasingumsebenzi oyimfakamfele womluki, ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, nelinen ecikizekileyo epôtiweyo; ubude baba zi-kubite ezimashumi mabini, ukupâkama kwabo zi-kubite ezintlanu; kwalungelelana namawunduwundu entendelezo.

19 Intsika zawo zozine neziseko zazo zozine zazezobêdu; amagwegwe azo angawe-silivere, nokwalekwa kwamantloko azo neminqiwu yazo kwayi-silivere.

20 Zonke izikônkwane zomnquba nezentendelezo ejikelezileyo zazezobêdu.

21 Ngawo la amanani ezinto zomnquba, zomnquba wesinqlno, abebalwa ngomlomo ka-Moses ngenkonzo yaba-Levi, ngesandla sika-Itamare unyana ka-Aron, umenzeleleli.

22 U-Betsaleli unyana ka-Uri, unyana ka-Huri, wesizwe sakwa-Yuda, wakwenza konke u-Yehova abemwisele umtètô ngako u-Moses.

23 Waye no-Aholiyabi unyana ka-Ahisamaki, wesizwe sakwa-Dan, engumroli, incîbi, umluki weinfakamfele ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtiweyo.

24 Ke yonke i-golide ekwakusetyenzwa ngayo umsebenzi emisebenzini yonke yengcwele, i-golide yomtshangatshangiso, yayizi-talente ezimashumi mabini anesitôba, ne-shekele ezimakûlu asixênxe anamanci matâtû, ngokwe-shekele yengcwele.

25 Ke i-silivere yabo babalwayo babâlwa bebandla yaba likûlu le-talente ne-shekele eziliwaka elinamakûlu asixênxe anamanci asixênxe anantlanu, ngokwe-shekele yengcwele.

26 Yaba yi-bêka ngentloko yomntu, isiqingatâ se-shekele-leyo ngokwe-shekele yengcwele, kubo bonke abagqitelayo kwabo babalwayo babâlwa; betâbatèla kominyaka imashumi mabini ezelwe, nangapézulu, kubo abangamawaka angamakûlu omatândatû anamawaka amatâtû anamakûlu amahlanu anamanci mahlanu.

27 Nge-talente ze-silivere [1] ezilikûlu kwatŷidwa iziseko zengcwele neziseko zomahlulo; yalikûlu leziseko kwikûlu le-talente, yayi-talente kwisiseko.

28 Nge-shekele eziliwaka elinamakûlu asixênxe anamanci asixênxe anantlanu wenza amagwegwe entsika, wawaleka amantloko azo, wenza iminqiwu.

29 Ubêdu olungumtshangatshangiso lwaluzi-talente ezingamashumi osixênxe, neshekele ezingamawaka amabini anamakûlu mane.

30 Wenza ngalo iziseko zomnyango wentente yokuhlangana, nesibingelelo sobêdu, notângo lwaso lobêdu, nempahla yonke yesibingelelo;

31 Neziseko zentendelezo ejikelezileyo, neziseko zesango lentendelezo, nezikônkwane zonke zomnquba, nezikônkwane zonke zentendelezo ejikelezileyo.

39 Ngemisonto emsi nemfusa nebomvu benza izambâtô zokubusa, zo-

[1] I-talente ye-silivere izi-ponti ezimawaka matâtû anamanci asixênxe anantlanu.

Digitized by Google

kulungiselela engcweleni; benza nezambâtô ezingcwele zika-Aron, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

2 I-efodi wayenza nge-golide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtiweyo.
3 Bayikânda i-golide yazixwexwe eziceketèkileyo, bancwela imityana, ukuze bayixube emisontweni emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo, umsebenzi wencîbi yokuluka ke-lowo.
4 I-efodi bayenzela iziziba zamagxa zokuyixakatâ, yaxakatwa emipêtweni yomibini;
5 Nombînqo opêzu kwayo wokuyinxiba i-efodi, opûma kuyo, wawunjengokusetyenzwa kwayo; *bawenza* nge-golide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo epôtiweyo, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

6 Benza amatye e-berilo, abîjelwe ngomluko we-golide, arolwa ngokurolwa kwemisesane yokutywina, ngokwamagama onyana baka-Sirayeli;
7 Wawabeka ezizibeni zamagxa ze-efodi, angamatye esikûmbûzo konyana baka-Sirayeli, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

8 Walwenza ubengo, lwangumsebenzi wencîbi yokuluka, njengokwenziwa kwe-efodi: nge-golide, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo.
9 Lwambômbô ne, lwapîndwa; balwenza ubengo: ubude balo baba ngangokolulwa kweminwe, ububanzi balo baba ngangokolulwa kweminwe, lupîndiwe;
10 Bafaka kulo imirozo yamine yamatye: urozo lwe-sardiyo, ne-topazi, nesmarado, lalurozo lokuqala olo;
11 Urozo lwesibini lwayi-rubi, ne-saffro, ne-kalikedo;
12 Urozo lwesitâtû lwayi-hakinto, neagati, ne-ametisti;
13 Urozo lwesine lwayi-krizolito, ne-berilo, ne-yaspi; abîjelwa ngomluko wegolide ezimfakweni zawo.
14 Amatye lawo amiswa ngokwamagama onyana baka-Sirayeli abalishumi elinababini, ngokwamagama abo, aba norolo lomsesane wokutywina, latî elo lanegama lalo ngokwezizwe ezilishumi elinazibini.
15 Benza elubengweni intsontelo etêshinyi, umsebenzi osontiweyo nge-golide ecocekileyo.
16 Benza imiluko yamibini nge-golide namakônco amabini nge-golide, bawafaka lomakônco mabini emancamini omabini obengo;
17 Bazifaka intsontelo zombini ze-golide emakôncweni omabini asemancamini obengo;
18 Namancam omabini entsontelo zombîni bawafaka emilukweni yomibini, bayifaka ezizibeni zamagxa ze-efodi, ngapâmbîli.
19 Benza amakônco amabini nge-golide, bawafaka emancamini omabini obengo, empêtweni walo okwicala elikângelana ne-efodi, elibêke ngapâkatî.
20 Benza amanye amakônco amabini ngegolide, bawafaka ezizibeni zamagxa zozibini ze-efodi ngapântsi, mayela nompâmbîli wayo, kufupî nokuhlangana kwayo, entla kombînqo we-efodi.
21 Balunxibelela ubengo ngamakônco alo, emakôncweni e-efodini, ngentsontelo yemisonto emsi, lwaba sentla kombînqo we-efodi, ukuze lungasuki ubengo kuyo i-efodi, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

22 Benza ingubo yokwaleka ye-efodi, umsebenzi womluki, yonke ngemisonto emsi;
23 Umqala wengubo yokwaleka waba sesazulwini sayo, njengomqala wesigcinasifuba, waba nompêtô owujikelezileyo umqala, ukuze ungarazuki.
24 Benza emqukumbêlweni wengubo yokwaleka i-rarnate ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, *ne-linen* epôtiweyo.
25 Benza namankenteza e-golide ecocekileyo, bawabeka amankenteza pâkatî kwe-rarnate emqukumbêlweni wengubo yokwaleka, kwazunguleza pâkatî kwe-rarnate:
26 Yalinkenteza ne-rarnate, inkenteza ne-rarnate emqukumbêlweni wengubo yokwaleka, kwazunguleza; ukuba kulungiselelwe njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

27 Benza ingubo zangapântsi nge-linen ecikizekileyo, umsebenzi womluki, ukuba zibe zezika-Aron nonyana bakê;
28 Nonkontsho nge-linen ecikizekileyo, neminqwazi yokuhombâ nge-linen eciki-

Digitized by Google

zekileyo, ne-bûlukwe nge-linen ecikizekileyo, epôtiweyo emhlope;
29 Nombînqo ngelinen ecikizekileyo epôtiweyo, nemisonto emsi nemfusa nebomvu, umsebenzi oyimfakamfele womluki, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

30 Benza nembâsa, isitsaba esingcwele segolide ecocekileyo, babâla pézu kwayo umbâlo ngorolo lomsesane wokutywina, oti, Ingcwele ku-Yehova.
31 Bayifaka umtya wemisonto emsi, yanxitywa elunkontshweni pézulu, njengoko u-Yehova wamwiselayo umteto u-Moses.

32 Wagqitywa-ke wonke umsebenzi womnquba wen-tente yokuhlangana. Benza onyana baka-Sirayeli njengakô konke u-Yehova ebemwisele umtêtô ngako u-Moses, benje njalo.

33 Bawuzisa umnquba ku-Moses: intente nempahla yayo yonke, amakônco ayo, neplanga zayo, nemivalo yayo, nentsika zayo, neziseko zayo;
34 Nesigubungelo sezintsù zenkunzi zezimvu, zenziwe zayingqombela, nesigubungelo sezikumbâ zemvubu, nomahlulo ositêlisayo;
35 Nomkombê wesinqîno, nezibonda zawo, nesihlalo sokucamagusha;
36 Ne-tafile nempahla zayo zonke, nezonka zokubonisa;
37 Nesipâtô sezibane esihle nezibane zaso, izibane ezicwangcisiweyo, nempahla yaso yonke, ne-oli yokukânyisa;
38 Nesibingelelo se-golide, ne-oli yokutâmbisa, nesiqûmiso esimnandi, nesisitêliso sokusitêlisa umnyango wen-Tente;
39 Nesibingelelo sobêdu, notângo lwaso lobêdu, izibonda zaso, nempahla yaso yonke, uhehema lwesitya sokuhlambêla noseko lwaso;
40 Namawunduwundu entendelezo nentsika zayo, neziseko zayo, nesisitêliso sesango lentendelezo, nemityu yayo, nezikônkwane zayo, nempahla yonke yenkonzo yomnquba, yen-tente yokuhlangana;
41 Nezambâtô zokubusa, zokulungisela engcweleni; nezambâtô ezingcwele zika-Aron umenzelelelì, nezambâtô zonyana bakê zokwenzelelela.
42 Njengakô konke u-Yehova abemwisele umtêtô u-Moses, bawenje njalo onyana baka-Sirayeli wonke umsebenzi.
43 Wawukângela u-Moses wonke umsebenzi, nango-ke, bewenzile; njengoko u-Yehova abemwisele umtêtô ngako, bawenje njalo. Wabasikelela-ke u-Moses.

40 Watêtâ u-Yehova ku-Moses watî,
2 Ngenyanga yokuqala, ngolokuqala usuku enyangeni-leyo, uz'uwumise umnquba wen-tente yokuhlangana;
3 Ubeke kôna umkômbê wesinqîno, uwusitêlise umkômbê ngomahlulo;
4 Ungenise i-tafile, uzicwangcise izinto zayo ezicwangciswayo, ungenise isipâtô sezibane, uzimise izibane zaso;
5 Usimise isibingelelo se-golide sokuqûmisela pâmbî komkombê wesinqîno, usixôme isisitêliso somnyango emnqubeni.
6 Usimise isibingelelo sedini elinyukayo pâmbî komnyango womnquba wen-tente yokuhlangana;
7 Ulumise uhehema lwesitya sokuhlambêla pâkatî kwen-tente yokuhlangana nesibingelelo, ugalele amanzi kulo;
8 Uyimise intendelezo ijikeleze, usixôme isisitêliso sesango lentendelezo;
9 Utâbatê i-oli yokutâmbîsa, utâmbîse umnquba nento zonke ezikuwo, uwungcwalise nempahla yawo yonke, ube yingcwele;
10 Utâmbîse isibingelelo sedini elinyukayo nempahla yaso yonke, usingcwalise isibingelelo, sibe sibingelelo esiyingcwele kangcwele;
11 Utâmbîse uhehema lwesitya sokuhlambêla noseko lwaso, usingcwalise.
12 Usondeze u-Aron nonyana bakê emnyango wen-tente yokuhlangana, ubahlambê ngamanzi;
13 Umnxibe u-Aron izambâtô ezingcwele, umtâmbîse, umngcwalise, ukuze abe ngumenzeleleli kum;
14 Usondeze onyana bakê, ubanxibe ingubo zangapântsi;
15 Ubatâmbîse njengoko wamtâmbîsayo uyise, ukuze babe ngabenzeleleli kum; kutî ukutânjiswa kwabo kube kokobenzeleleli obungunapâkade kubo kwizizukulwana zabo.
16 Wenza-ke u-Moses; njengakô konke u-Yehova abemwisele umtêtô ngako, wenje njalo.

17 Kwatî, ngenyanga yokuqala ngo-

Digitized by Google

mnyaka wesibini ngolokuqala enyangeni leyo, wamiswa umnquba.

18 Wawumisa-ke u-Moses umnquba, wazibeka iziseko zawo, wazimisa i-planga zawo, wayifaka imivalo yawo, wazimisa intsika zawo.

19 Wayaneka in-tente pêzu komnquba, wabeka isigubungelo sen-tente pêzu kwayo pêzulu, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

20 Wasitâbatâ isinqîno wasibeka emkômbêni, wazifaka izibonda emkômbêni, wasibeka isihlalo sokucamagusha pêzu komkômbê pêzulu;

21 Wawungenisa umkômbê emnqubeni, wawuxôma umahlulo ositêlisayo, wawusitêlisa umkômbê wesinqîno, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

22 Wayibeka i-tafile en-tenteni yokuhlangana ngecala lomnquba elingase-Ntla, nganeno komahlulo;

23 Wacwangcisa pêzu kwayo ukucwangciswa kwezonka pâmbî ko-Yehova, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

24 Wasimisa isipâtô sezibane en-tenteni yokuhlangana, sakângelana ne-tafile ngecala lomnquba elingase-Zantsi;

25 Wazimisa izibane pâmbî ko-Yehova, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

26 Wasibeka isibingelelo se-golide en-tenteni yokuhlangana, pâmbî komahlulo.

27 Waqûmisela pêzu kwaso ngesiqûmiso esimnandi, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

28 Wasixôma isisitêliso somnyango emnqubeni.

29 Wasibeka isibingelelo sedini elinyukayo emnyango womnquba wen-tente yokuhlangana; wanyusa kuso idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

30 Walubeka uhehema lwesitya sokuhlambêla pâkatî kwen-tente yokuhlangana nesibingelelo-eso, wagalela amanzi okuhlambâ kulo.

31 Bazihlambâ o-Moses no-Aron nonyana bakê izandla zabo nenyawo zabo kôna.

32 Ekungeneni kwabo en-tenteni yokuhlangana, nasekusondeleni kwabo esibingelelweni bahlambâ, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

33 Wayimisa intendelezo ejikeleza umnquba-lo nesibingelelo-esi, wasixôma isisitêliso sesango lentendelezo. Wawugqiba-ke u-Moses umsebenzi.

34 Ilifu layigubungela in-tente yokuhlangana, ubuqaqauli buka-Yehova bawuzalisa umnquba.

35 U-Moses akabi nakungena en-tenteni yokuhlangana, ngokuba ilifu lahlala pêzu kwayo, ubuqaqauli buka-Yehova bawuzalisa umnquba.

36 Belisiti lakunyuswa lisuswe ilifu emnqubeni, banduluke onyana baka-Sirayeli, benje njalo ekundulukeni kwabo konke;

37 Ke xa ilifu belingekanyuswa, bebenganduluki kude kube yimini yokunyuswa kwalo;

38 Kuba ilifu lika-Yehova beliba pêzu komnquba emini; umlilo ube pêzu kwawo ebusuku, pâmbî kwendlu yonke ka-Sirayeli, ekundulukeni kwabo konke.

INCWADI YESITATU KA-MOSES,

LEYO KUTIWA

YI-LEVITIKUS.

ISIQENDU I.

U-YEHOVA wambiza u-Moses, watêtâ kuye en-tenteni yokuhlangana, esitî,

2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Xa umntu kuni asondeza ku-Yehova umsondezo wasezimtweni ezizitô zine, nowusondeza lomsondezo wenu *niwutâbatâ* ezinkomeni nasempahlen' emfutshane.

Digitized by Google

3 Ukuba umsondezo wakê ulidini elinyukayo lasezinkomeni, wosondeza inkomo eliduna eligqibeleleyo emnyango wentente yokuhlangana, alisondeze ukuba limkôlekise pâmbî ko-Yehova;
4 Acinezele ngesandla sakê entloko yedini-elo linyukayo, limkôlekise, limcamagushele;
5 Alixêle itôle-elo lenkomo pâmbî ko-Yehova; onyana baka-Aron, abenzeleleli balisondeze igazi, balitshize bajikelezise esibingelelweni esisemnyango wen-tente yokuhlangana;
6 Alihlinze idini elinyukayo, alityatye;
7 Onyana baka-Aron umenzeleleli babeke umlilo pêzu kwesibingelelo, bacwangcise inkuni pêzu komlilo;
8 Bacwangcise onyana baka-Aron abenzeleli inyama ezo, nentloko nenqatâ, pêzu kwenkuni ezipêzu komlilo opêzu kwesibingelelo;
9 Ke zona izibilini zalo nentungo zalo zihlanjwe ngamanzi, aqûmisele ngezonto zonke umenzeleleli esibingelelweni: lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova elo.

10 Ukuba umsondezo wakê ngowasempahlen' emfutshane, nokuba kusezigusheni, nokuba kusezi-bôkweni, ulidini elinyukayo, wosondeza iduna eligqibeleleyo;
11 Alixêlele ecaleni lesibingelelo ngase-Ntla pâmbî ko-Yehova; batî onyana baka-Aron abenzeleleli balitshize igazi lalo bajikelezise esibingelelweni;
12 Alityatye, intloko yalo nenqatâ lalo, acicwangcise ezonto umenzeleleli pêzu kwenkuni ezipêzu komlilo opêzu kwesibingelelo;
13 Azihlambê izibilini nentungo ngamanzi, azisondeze umenzeleleli zonke ezonto, aqûmisele ngazo esibingelelweni: lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova elo.

14 Ke ukuba umsondezo wakê ku-Yehova ulidini elinyukayo lasezintakeni, wowusondeza umsondezo wakê, etâbatâ kumahobe, nokuba kukumagobo amazuba;
15 Alisondeze umenzeleleli esibingelelweni, aliqâule intloko, aqûmisele ngalo esibingelelweni, igazi lalo likânyelwe ecaleni lesibingelelo,
16 Asuse indlelo yalo kunye nento epâkatî kwalo, azilahlele ecaleni lesibingelelo elingasempumalanga, ezaleni;
17 Alicande emapîkweni alo engawahluli kanye, aqûmisele ngalo umenzeleleli esibingelelweni, pêzu kwenkuni ezipêzu komlilo: lidini elinyukayo, kukudla kwasemlilweni, livumba elitôzamisayo ku-Yehova elo.

2 Ke, xa ubani asondeza umsondezo ongumnikelo wokudla ku-Yehova, umsondezo wakê lowo woba ngumgubo onengiweyo, agalele i-oli pêzu kwawo, abeke intlak' emhlopê pêzu kwawo,
2 Awuzise konyanâ baka-Aron abenzeleleli, aze umenzeleleli asube kuwo, azalise isandla sakê emgutyeni onengiweyo nase-olini apô, kunye nentlak'emhlopê yawo yonke, aqûmisele umenzeleleli esibingelelweni ngesikûmbûzo sawo: kukudla kwasemlilweni, livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova elo.
3 Okuseleyo komnikelo wokudla kube kokuka-Aron nonyana bakê: iyingcwele kangcwele yasekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova leyo.

4 Xa usondeza umsondezo ongumnikelo wokudla okosiweyo nge-bâk'onti, woba yimiqâtâne enge nagwele yomgubo onengiweyo egalelwe i-oli, nezonkana ezisicaba ezinge nagwele ezitânjiswe i-oli.
5 Ke ukuba umsondezo wakô ungumnikelo wokudla okunge-pani, woba ngumgubo onengiweyo onge nagwele, ugalelwe i-oli.
6 Wowuqêkeza ube ngamaqêkeza, ugalele i-oli pêzu kwawo: ngumnikelo wokudla ke-lowo.
7 Ke ukuba umsondezo wakô ungumnikelo wokudla okupêkiweyo ngembîza, mawenziwe ngomgubo onengiweyo oneoli,
8 Uwuzise umnikelo wokudla owenziweyo ngezonto ku-Yehova, uwusondeze kumenzeleleli, awuse esibingelelweni;
9 Asuse umenzeleleli emnikelweni wokudla isikûmbûzo sawo, aqûmisele ngaso esibingelelweni: kukudla kwasemlilweni, livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova elo;
10 Okuseleyo komnikelo wokudla kube kokuka-Aron nonyana bakê: iyingcwele kangcwele yasekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova.

Digitized by Google

11 Yonke iminikelo yokudla eniya kuyisondeza ku-Yehova, mayingenziwa ngagwele; kuba igwele lonke nobusi bonke aniyi kuqûmisela ngezonto zibe kukudla kwasemlilweni kuka-Yehova.

12 Ningazisondeza ku-Yehova zibe ngumsondezo wokuqala; mazinganyuswa esibingelelweni ukuba zibe livumbâ elitôzamisayo.

13 Yonke imisondezo eyiminikelo yakô yokudla woyigalela ityuwa. Ungavumi ukuba isweleke ityuwa yomnqopiso wo-Tixo wakô eminikelweni yakô yokudla. Imisondezo yakô yonke woyisondeza inetyuwa.

14 Ukuba usondeza umnikelo wokudla wentlahlela ku-Yehova, oyinto esizilwayo ehle yavutwa, wosondeza ikwêba umnikelo wokudla wentlahlela yakô.

15 Uz'uyibeke i-oli pêzu kwazo, ubeke nentlak'emhlopê pêzu kwazo: ngumnikelo wokudla ke-lowo;

16 Aqûmisele umenzeleleli ngesikûmbûzo sawo kulonto yawo isizilwayo, nakwioli yawo, kunye nentlak'emhlopê yawo yonke: kukudla kwasemlilweni ku-Yehova oko.

3 Ke ukuba umsondezo wakê ungumbingelelo woxolo: ukuba uwusondeza ungowasezinkomeni, nokuba yeliduna, nokuba yelitôkazi, wolisondeza ligqibelele pâmbî ko-Yehova;

2 Acinezele entloko yomsondezo wakê, ngesandla sakê, awuxêlele emnyango wentente yokuhlangana; onyana baka-Aron, abenzeleleli, balitshize igazi bajikelezise esibingelelweni;

3 Asondeze ukudla kwasemlilweni ku-Yehova, etâbatê embingelelweni woxolo; umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatâ onke asezibilinini,

4 Nezintso zombini, nenqatâ lazo, nelisemihlubulweni, nomhlehlo opêzu kwesibindi, ewususa ngasezintsweni;

5 Baqûmisele ngezonto onyana baka-Aron esibingelelweni pêzu kwedini elinyukayo, elipêzu kwenkuni ezipêzu komlilo: kukudla kwasemlilweni, livumba elitôzamisayo ku-Yehova elo.

6 Ukuba umsondezo wakê ngowasempahlen' emfutshane, ungumbingelelo woxolo ku-Yehova, nokuba yeliduna, nokuba yelitôkazi, wolisondeza ligqibelele.

7 Ukuba litâkane elolisondezwayo lingumsondezo wakê, wolisondeza pâmbî ko-Yehova,

8 Acinezele entloko yomsondezo wakê, ngesandla sakê awuxêlele pâmbî kwen-tente yokuhlangana; onyana baka-Aron balitshize igazi bajikelezise esibingelelweni;

9 Asondeze ukudla kwasemlilweni ku-Yehova, etâbatê embingelelweni woxolo inqatâ layo, umsila upêla ewunqamla kuntlahlahlungulu, nomhlehlo ogubungele izibilini, namanqatâ onke asezibilinini,

10 Nezintso zombini, nenqatâ lazo nelisemihlubulweni; nomhlehlo opêzu kwesibindi ewususa ngasezintsweni,

11 Aqûmisele ngezonto umenzeleleli esibingelelweni: kukudla kwasemlilweni ku-Yehova, oko.

12 Ke ukuba umsondezo wakê uyi-bôkwe, woyisondeza pâmbî ko-Yehova,

13 Acinezele ngesandla sakê entloko yayo, ayixêlele pâmbî kwen-tente yokuhlangana; onyana baka-Aron balitshize igazi layo bajikelezise esibingelelweni;

14 Asondeze ukudla kwasemlilweni ku-Yehova; etâbatê emsondezweni wakê umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatâ onke asezibilinini,

15 Nezintso zombini, nenqatâ lazo nelisemihlubulweni; nomhlehlo opêzu kwesibindi ewususa ngasezintsweni,

16 Aqûmisele ngezonto umenzeleleli esibingelelweni: kukudla kwasemlilweni, livumbâ elitôzamisayo; onke amanqatâ ngaka-Yehova.

17 Ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu, emakâya enu onke, ukuba ningadli nqatâ nagazi.

4 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esiti,

2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, uti, Xa até ubani wona ngokulahlekana nomtêtô ka-Yehova nokuba nguwupina, wezinto ezinge zakwenziwa, wenza enye kuzo;

3 Ukuba umenzeleleli otânjisiweyo uté wona, bazeka ityala abantu: wosondeza ku-Yehova ngenxa yesono sakê one ngaso inkunzi entsha, itôle lenkomo eligqibeleleyo, libe lidini lesono;

4 Ayizise inkunzi entsha emnyango wen-

Digitized by Google

tente yokuhlangana pâmbî ko-Yehova, acinezele ngesandla sakê entloko yenkunzi entsha, ayixêlele inkunzi entsha pâmbî ko-Yehova;

5 Umenzeleleli otânjisiweyo acapûle egazini lenkunzi entsha, alizise en-tenteni yokuhlangana,

6 Awuti-nxu umenzeleleli umnwe wakê egazini, afefe ngenxalenye yelogazi izihlandlo zosixênxe pâmbî ko-Yehova, pâmbî komahlulo wengcwele;

7 Ayidyobe umenzeleleli inxalenye yegazi ezimpondweni zesibingelelo sesiqûmiso esimnandi esipâmbî ko-Yehova, esisen-tenteni yokuhlangana; ke lonke igazi lenkunzi entsha alipâlazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo, esisemnyango wen-tente yokuhlangana;

8 Amanqatâ onke enkunzi entsha yedini lesono awasuse kulo: umhlehlo ogubungele izibilini, namanqatâ onke asezibilinini;

9 Nezintso zombîni, nenqatâ lazo, nelisemihlubulweni; nomhlehlo opêzu kwesibindi ewususa ngasezintsweni,

10 Njengoko asuswayo enkomeni yombingelelo woxolo, aqûmisele ngawo umenzeleleli esibingelelweni sedini elinyukayo.

11 Ke isikûmbâ senkunzi entsha, nenyama yayo yonke, kunye nentloko yayo, kunye nentungo zayo nezibilini zayo nomswane wayo,

12 Yonke inkunzi entsha woyikûpêla ngapândle kweminquba, ayise endaweni emhlopê apô kupâlazwa kôna utûtû, ayitshise pêzu kwenkuni ngomlilo, itshiswe apô kupâlazwa kôna utûtû.

13 Ke ukuba lonke ibandla lakwa-Sirayeli litê lalahleka, yafihlakala lonto emehlweni esikûngu, benza into kumtêtô ka-Yehova nokuba nguwupîna, wento enge yakwenziwa, bazeka ityala,

14 Saza saziwa isono abône ngaso: isikûngu sosondeza inkunzi entsha, itôle lenkomo, libe lidini lesono, balizise pâmbî kwen-tente yokuhlangana;

15 Acinezele amadoda amakûlu ebandla ngezandla zawo entloko yenkunzi entshaleyo, pâmbî ko-Yehova, ayixêlele inkunzi entsha pâmbî ko-Yehova;

16 Umenzeleleli otânjisiweyo ayizise inxalenye yegazi lenkunzi entsha en-tenteni yokuhlangana,

17 Awuti-nxu umenzeleleli umnwe wakê egazini, afefe izihlandlo zosixênxe pâmbî ko-Yehova, pâmbî komahlulo;

18 Inxalenye yegazi ayidyobe ezimpondweni zesibingelelo esipâmbî ko-Yehova, esisen-tenteni yokuhlangana, igazi lonke alipâlazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo, esisemnyango wen-tente yokuhlangana;

19 Awasuse amanqatâ onke kulo, aqûmisele *ngawo* esibingelelweni;

20 Enze kulenkunzi intsha njengoko wenza kwinkunzi entsha yedini lesono, enje njalo nakule; umenzeleleli abacamagushele, boxolelwa-ke;

21 Ayikûpêle inkunzi entsha ngapândle kweminquba, ayitshise njengoko wayitshisayo inkunzi entsha yokuqala: lidini lesono lesikûngu elo.

22 Xa kutê kôna isikûlu, senza into ngokulahlekana nomtêtô ka-Yehova u-Tixo waso, nokuba nguwupîna wento enge yakwenziwa, sazeka ityala;

23 Ukuba sitê satŷilwa kuso isono saso esône ngaso: sozisa umsondezo waso, ixônti le-bôkwe elililuna eligqibeleleyo,

24 Sicinezele ngesandla saso entloko yebôkwe exônti, siyixêlele apô kuxêlelwa kôna idini elinyukayo pâmbî ko-Yehova: lidini lesono ke-elo;

25 Umenzeleleli acapûle egazini ledini lesono ngomnwe wakê, alidyobe ezimpondweni zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo alipâlazele esisekweni sesibingelelo sedini elinyukayo;

26 Aqûmisele ngamanqatâ alo onke esibingelelweni, njengamanqatâ ombingelelo woxolo; umenzeleleli amcamagushele ngesono saso, soxolelwa-ke.

27 Ukuba ubani otîle wasebantwini balo ilizwe utê wôna ngokulahleka, ngokwenza into kumtêtô ka-Yehova nokuba nguwupîna, wento enge yakwenziwa, wazeka ityala;

28 Ukuba sitê satŷilwa kuye isono sakê ône ngaso: wozisa umsondezo wakê ixônti elilitôkazi, le-bôkwe, eligqibeleleyo, ngenxa yesono sake ône ngaso,

29 Acinezele ngesandla sakê entloko yedini lesono, alixêlele, idini lesono endaweni yedini elinyukayo;

30 Umenzeleleli acapûle egazini lalo ngomnwe wakê, alidyobe ezimpondweni

Digitized by Google

zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo lonke alipâlazele esisekweni sesibingelelo,

31 Awasuse onke amanqatâ alo, njengoko asuswayo amanqatâ ombingelelo woxolo, aqûmisele ngawo umenzeleleli esibingelelweni, libe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova; umenzeleleli amcamagushele, woxolelwa-ke.

32 Ukuba-ke umsondezo wakê wedini lesono uyimvana: wozisa itôkazi eligqibeleleyo,

33 Acinezele ngesandla sakê entloko yedini lesono, alixêlele idini lesono apô kuxêlelwa kôna idini elinyukayo;

34 Umenzeleleli acapûle egazini ledini lesono ngomnwe wakê, alidyobe ezimpondweni zesibingelelo sedini elinyukayo, igazi lalo lonke alipâlazele esisekweni sesibingelelo;

35 Awasuse onke amanqatâ alo, njengoko asuswayo amanqatâ emvana kumbingelelo woxolo, aqûmisele ngawo umenzeleleli esibingelelweni, pêzu kokudla kwasemlilweni kuka-Yehova; umenzeleleli amcamagushele ngesono sakê ône ngaso, woxolelwa-ke.

5 Ke ubani xa atê wôna ngokutî elivile izwi lesifungo sokuzishwabulela, elinqîna-ke, nokuba ubonile, nokuba uyazi, angaxeli: wobutwâla ubugwenxa bakê.

2 Ubani osukuba ecûkumisa into yonke eyinqambî, nokuba sisidûmbû sezinto ezipîlileyo ezizinqambî, nokuba sisidûmbû sezinto ezizitô zine ezizinqambi, nokuba sisidûmbû sesinambûzane esiyinqambî, engakwazi oko: uyinqambî, uzeke ityala.

3 Xa atê wacûkumisa ubunqambî bomntu, ubunqambî bakê bonke ayinqambî ngabo engakwazi oko, waza wabuya wakwazi oko: uzeke ityala.

4 Xa-ke ubani atê wafunga, wapololoza ngomlomo *wakê*, esitî uya kwenza into nokuba imbî, nokuba ilungile, ezintweni zonke atê wazipololoza umntu ngesifungo, engakwazi oko, waza wabuya wakwazi oko: uzeke ityala nangayipî kwezonto;

5 Kotî-ke, xa atê wazeka ityala nangayipî kwezonto, ayivume into ône ngayo,

6 Alizise idini letyala lakê ku-Yehova ngenxa yesono sakê ône ngaso, azise itôkazi lasempahlen' emfutshane, imvanazana nokuba litakanekazi le-bôkwe exônti, libe lidini lesono, aze umenzeleleli amcamagushele ngesono sakê.

7 Ukuba-ke isandla sakê sitê asabi nakuyifumana into elingana netakane; wozisa ku-Yehova idini letyala lakê ône ngalo, amahobe abe mabini, nokuba ngamagobo amazuba abe mabini, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo;

8 Awazise kumenzeleleli, asondeze elidini lesono kuqala, aliqâule intloko ngasentanyeni, angalahluli kanye;

9 Afefe ngenxalenye yegazi ledini lesono ecaleni lesibingelelo, eliseleyo igazi likânyelwe esisekweni sesibingelelo: lidini lesono ke-elo.

10 Elesibini alenze idini elinyukayo ngokwesiko; umenzeleleli amcamagushele ngesono sakê ône ngaso, woxolelwa-ke.

11 Ukuba-ke isandla sakê sitê asabi nakuwafumana amahobe amabini, nokuba ngamagobo amazuba amabini: wozisa umsondezo wakê lowo wonieyo, ube sisahlulo seshumi se-efa yomgubo onengiweyo, ube lidini lesono, angabeki oli pêzu kwawo, angabeki ntlak'imhlopê pêzu kwawo: kuba lidini lesono elo;

12 Awuzise kumenzeleleli; umenzeleleli asube kuwo, sizale isandla sakê, aqûmisele ngesikûmbûzo salo esibingelelweni, pêzu kokudla kwasemlilweni kuka-Yehova: lidini lesono ke-elo;

13 Umenzeleleli amcamagushele ngesono sakê ône ngaso, nangayipî kwezonto, woxolelwa-ke; oseleyo ube ngowomenzeleleli njengomnikelo wokudla.

14 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

15 Xa ubani atê wameneza, wôna ezintweni ezingcwele zika-Yehova ngokulahleka: wozisa idini letyala lakê ku-Yehova, inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahlen' emfutshane, iyeye-shekele ze-silivere ngokwe-shekele yengcwele ngokulinganisela kwakô, ibe lidini letyala;

16 Nento ône kuyo ezintweni ezingcwele, ayimisele, ongeze isahlulo sesihlanu pêzu kwayo, ayinike umenzeleleli; umenzeleleli amcamagushele ngenkunzi yemvu yedini letyala; woxolelwa-ke.

17 Nokuba ubani utê wôna, wenza into kumtêtô ka-Yehova nokuba nguwupîna,

Digitized by Google

wento enge yakwenziwa engazi: uzeke ityala, ubutwele ubugwenxa bakê;
18 Wozisa kumenzeleleli inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahlen' emfutshane ngokulinganisela kwakô, ibe lidini letyala; umenzeleleli amcamagushele ngokulahleka kwake alahleke ngako, engazi; woxolelwa-ke.
19 Lidini letyala ke-elo; unetyala okunene ku-Yehova.

6 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Xa ubani atê wõna ngokumeneza emeneza ku-Yehova, wayikânyela kummelwane wakê into ebibekwe kuye, nokuba yinto esisibambîso, nokuba yinto exâkamfulweyo, nokuba umcudisile ummelwane wakê;
3 Nokuba ufumene into ebidukile wayikânyela, wafunga ubuxoki ezintweni zonke azenzileyo, esõna ngazo:
4 Wotî, xa atê wõna, wazeka ityala, ayibuyise lonto ixâkamfulweyo abeyixâkamfule, nento ecudisiweyo abeyicudisile, nento ebekiweyo ebibekiwe kuye, nento ebidukile wayifumana,
5 Nento yonke abeyifungele ubuxoki: woyibuyekeza ngangenani layo, ongeze pêzu kwalo isahlulo sesihlanu salo, ayinike osukuba engumniniyo ngomhla wedini lakê letyala;
6 Alizise idini letyala lakê ku-Yehova, kumenzeleleli, inkunzi yemvu egqibeleleyo yasempahlen' emfutshane ngokulinganisela kwakô, ibe lidini letyala;
7 Umenzeleleli amcamagushele pâmbî ko-Yehova, woxolelwa-ke ezintweni zonke azenzileyo wazeka ityala ngazo.

8 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
9 Wisela u-Aron nonyana bakê umtêtô, utî, Nguwo lo umyalelo wedini elinyukayo; Lona idini elinyukayo lotsha eziko pêzu kwesibingelelo ubusuku bonke kude kuse, nomlilo wesibingelelo uhlale usitsha kulo;
10 Umenzeleleli ambâtê ingubo yakê yelinen emhlope, ambâtê ne-bûlukwe ye-linen emhlopê enyameni yakê, asuse utûtû lomlilo odle idini elinyukayo pêzu kwesibingelelo, alubeke ecaleni lesibingelelo;
11 Ahlube ingubo zakê-ezo, ambâtê ngubo zimbî, apûme notûtû aye nalo ngapândle kweminquba endaweni emhlope;
12 Ke umlilo opêzu kwesibingelelo uhlale usitsha kuso, ungacimi; umenzeleleli abase inkuni pêzu kwawo imiso ngemiso, acwangcise pêzu kwawo idini elinyukayo, aqûmisele pêzu kwalo ngamanqatâ ombingelelo woxolo.
13 Umlilo wohlala usitsha esibingelelweni ungacimi.

14 Nguwo lo umyalelo womnikelo wokudla: Onyana baka-Aron mabawusondeze pâmbî ko-Yehova pâmbî kwesibingelelo,
15 Asube kuwo azalise isandla emgutyeni onengiweyo womnikelo wokudla, naseolini yawo, nasentlaken' emhlopê yonke epêzu komnikelo wokudla, aqûmisele *ngezonto* esibingelelweni: livumbâ elitôzamisayo, sisikûmbûzo sawo ku-Yehova eso;
16 Okuseleyo kuwo kudliwe ngu-Aron nonyana bakê, kudliwe kunge nagwele endaweni engcwele, bakudle entendelezweni yen-tente yokuhlangana.
17 Makungosiwa kunegwele; sisabelo sabo endibanike sona ekudleni kwasemlilweni; yingcwele kangcwele njengedini lesono nanjengedini letyala.
18 Yonke into eyindoda pâkatî konyana baka-Aron yowudla. Ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu wasekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova: bonke abasukuba bezicûkumisa ezonto boba ngcwele.

19 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
20 Nguwo lo umsondezo ka-Aron nonyana bakê, abowusondeza ku-Yehova ngomhla wokutânjiswa kwakê: isahlulo seshumi se-efa yomgubo onengiweyo ube ngumnikelo wokudla wamaxesha onke, ube siqingatâ kusasa, ube siqingatâ ngokuhlwa;
21 Wenziwe nge-oli e-paneni, uwuzise uroqiwe, uwusondeze ungamaqêkeza, ngokomnikelo wokudla wamaqêkeza, ube livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova;
22 Umenzeleleli otânjisiweyo esikûndleni sakê awenze konyana bakê. Ngummiselo ongunapâkade ku-Yehova: koqûnyiselwa ngawo upêla;
23 Wonke umnikelo wokudla womenzeleleli kuqûnyiselwe ngawo upêla, ungadliwa.

24 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
25 Têtâ ku-Aron nakonyana bakê, utî,

Digitized by Google

Nguwo lo umyalelo wedini lesono: apô kuxêlelwa kôna idini elinyukayo, loxêlelwa kôna idini lesono pâmbî ko-Yehova; liyingcwele kangcwele lona.

26 Umenzeleleli olenzayo idini lesono wolidla; lodliwa endaweni engcwele, entendelezweni yen-tente yokuhlangana.

27 Bonke abasukuba becûkumisa inyama yalo boba ngcwele; nabasukuba becâpâzela ingubo ngegazi lalo boyihlambâ lonto icâtshazelweyo endaweni engcwele;

28 Ke yona impahla yodongwe elipêkwe ngayo iqêkezwe; ukuba litê lapêkwa ngempahla yobêdu, yoguxwa, ixukuxwe ngamanzi.

29 Yonke into eyindoda pâkatî kwabenzeleleli yolidla: liyingcwele kangcwele lona;

30 Ke lonke idini lesono, ekuziswe inxalenye yegazi lalo en-tenteni yokuhlangana, ukuba kucanyagushwe engcwelcni, malingadliwa, malitshiswe ngomlilo.

7 Nguwo lo umyalelo wedini letyala: liyingcwele kangcwele lona.

2 Apo kuxêlelwa kôna idini elinyukayo, loxêlelwa kôna idini letyala, negazi lalo litshizwe lijikelezise esibingelelweni;

3 Asondeze onke amanqatâ alo akulo, umsila, nomhlehlo ogubungela izibilini,

4 Nezintso zombîni nenqatâ lazo nelisemihlubulweni, nomhlehlo opêzu kwesibindi ewususa ngasezintsweni;

5 Aqûmisele ngezonto umenzeleleli esibingelelweni; kukudla kwasemlilweni ku-Yehova, lidini letyala ke-elo.

6 Yonke into eyindoda pâkatî kwabenzeleleli yolidla; lodliwa endaweni engcwele: liyingcwele kangcwele lona.

7 Njengoko linjalo idini lesono, linjalo idini letyala: mnye umyalelo kuwo *omabini*; umenzeleleli ocamagusha ngalo loba lelakê.

8 Umenzeleleli osondeza idini elinyukayo lomntu, isikûmbâ sedini elinyukayo alisondezayo soba sesomenzeleleli.

9 Nomnikelo wonke wokudla owosiwa nge-bâk'onti, nawo wonke owenzelwa epâneni nasembîzeni, woba ngowomenzeleleli owusondezayo;

10 Ke umnikelo wonke wokudla ogalelwe i-oli nowomileyo woba ngowonyana bonke baka-Aron, omnye abe njengomnye.

11 Nguwo lo umyalelo wombingelelo woxolo, aya kuwusondeza ku-Yehova.

12 Ukuba utê wasondeza ngenxa yombulelo, wosondeza pêzu kombingelelo wombulelo imiqâtâne enge nagwele egalelwe i-oli, nezonkana ezisicaba ezinge nagwele zitanjiswe i-oli, nomgubo onengiweyo oroqiweyo, oyimiqâtâne egalelwe i-oli.

13 Kunye nemiqâtâne yesonka esinge nagwele wosondeza umsondezo wakê pêzu kombingelelo wakê wombulelo ongowoxolo;

14 Asondeze ube mnye otâtyatwê emsondezweni wonke, ube ngumrûmo ku-Yehova, ube ngowomenzeleleli olitshizayo igazi lombingelelo woxolo;

15 Nenyama yombingelelo wakê wombulelo ongowoxolo idliwe ngomhla wokusondeza kwakê, kungashiywa nento kuyo kude kuse.

16 Ke ukuba umbingelelo womsondezo wakê utê wangowesibâmbâtîso, nokuba ngowokuqûtywa yintliziyo, wodliwa ngomhla wokusondeza kwakê umbingelelo wakê; okuseleyo kuwo kudliwe ngengomso;

17 Ke okuseleyo enyameni yombingelelo kwada kwa ngumhla wesitâtû kutshiswe ngomlilo.

18 Ukuba kutê kwadliwa nokuba yintwana-le yenyama yombingelelo wakê woxolo ngomhla wesitâtu, awusokumkôlekisa owusondezayo, awusokubalelwa kuye, woba yimbôzisa; ubani odlayo kuwo wobutwâla ubugwenxa bakê.

19 Nenyama efike entweni yonke eyinqambî mayingadliwa; yotshiswa ngomlilo. Ke inyama yona bonke abahlambûlukileyo boyidla inyama;

20 Ubani osukuba esidla inyama yombingelelo woxolo ongoka-Yehova, enobunqambî bakê, lomntu wonqanyulwa angabikô ebantwini bakowabo.

21 Xa atê ubani wacûkumisa into eyinqambî, nokuba bunqambî bomntu, nokuba bunqambî bezinto ezizitê zine ezizinqambî, nokuba yinto yonke enezotê eyinqambî, waza wadla inyama yombingelelo woxolo ongoka-Yehova, wonqanyulwa lomntu angabikô ebantwini bakowabo.

22 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

23 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî. Ize ningadli nqatâ lankomo, namvu, na-bôkwe,

Digitized by Google

24 Nanqatâ lanto izifeleyo, nanqatâ lanto iqwengiweyo; ningasebenza ngalo emisebenzini yonke, ke ukulidla ningalidli.

25 Kuba bonke abalidlayo inqatâ lezinto ezizitô zine, abazisondezileyo zaba kukudla kwasemlilweni ku-Yehova, lomntu ulidlayo wonqanyulwa angabikô ebantwini bakowabo.

26 Ize ningadli gazi emakâya enu onke, nelantaka nelazinto ezizitô zine.

27 Wonke ubani osukuba esidla nto iligazi, lomntu wonqanyulwa angabikô ebantwini bakowabo.

28 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esiti,

29 Têtâ konyana baka-Sirayeli, uti, Lowo usondeza umbingelelo wakê woxolo ku-Yehova, ukuwuzisa umsondezo wakê ku-Yehova, wowutâbatâ kumbingelelo wakê woxolo lowo.

30 Izandla zakê zokuzisa ukudla kwasemlilweni kuka-Yehova: inqatâ elipêzu kwencum wolizisa kunye nencum, ukuba litshangatshangiswe libe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova;

31 Umenzeleleli aqûmisele ngenqatâ elo esibingelelweni; ke yona incum ibe yeka-Aron neyonyana bakê;

32 Umlenze wasekunene niwunike umenzeleleli, ube ngumfumo kumenzeleleli emibingelelweni yenu yoxolo.

33 Lowo pâkatî konyana baka-Aron, usondeza igazi lombingelelo woxolo nenqatâ, umlenze wasekunene woba ngowakê, ube sisabelo sakê.

34 Kuba incum yomtshangatshangiso, nomlenze womfumo ndiwutâbatîle konyana baka-Sirayeli emibingelelweni yabo yoxolo, ndiwunike u-Aron umenzeleleli nonyana bakê, ukuba ube ngummiselo ongunapâkade konyana baka-Sirayeli.

35 Ezonto ngumxêsho ka-Aron, nomxêsho wonyana bakê, ekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova, ngomhla awabasondezayo ukuba babe ngabenzeleleli ku-Yehova;

36 Awawisa umtêtô u-Yehova ngomhla wokubatâmbîsa kwakê ukuba bawunikwe ngonyana baka-Sirayeli; ube ngummiselo ongunapâkade lowo ezizukulwaneni zabo.

37 Nguwo lowo umyalelo wedini elinyukayo, nowomnikelo wokudla, nowedini lesono, nowedini letyala, nowokuzalisa izandla, nowombingelelo woxolo,

38 Awamwisela umtêtô ngawo u-Yehova u-Moses, entabeni yase-Sinayi, ngomhla wokubawisela kwakê umtêtô onyana baka-Sirayeli, ukuba basondeze imisondezo yabo ku-Yehova, entlango yase-Sinayi.

8 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esiti,

2 Tâbatâ o-Aron nonyana bakê kunye naye, nezambâtô-ezo, ne-oli yokutâmbîsa, nenkunzi entsha yenkomo yedini lesono, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nengobozi yezonka ezinge nagwele;

3 Ulibizele ndawonye lonke ibandla emnyango wen-tente yokuhlangana.

4 Wenza u-Moses ngoko u-Yehova wamwisela umtêtô ngako; walibizela ndawonye ibandla emnyango wen-tente yokuhlangana;

5 Watî u-Moses kwibandla, Yiyo le into awise umtêtô ngayo u-Yehova ukuba yenziwe.

6 U-Moses wabasondeza-ke o-Aron nonyana bakê, wabahlambâ ngamanzi:

7 Wamnxiba ingubo yangapântsi, wambînqisa umbînqo, wamambâtîsa ngengubo yokwaleka, wamnxiba i-efodi, wambînqisa umbînqo we-efodi, wayibînqa ngawo;

8 Wamnxiba ubengo; elubengweni wafaka i-Urim ne-Tumim;

9 Wamfaka unkontsho entloko; elunkontshweni ngapâmbili wabeka imbâsa ye-golide, isitsaba esingewele, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

10 Wayitâbatâ u-Moses i-oli yokutâmbîsa, wawutâmbîsa umnquba nento zonke ezikuwo, wazingcwalisa;

11 Wafefa ngenxalenye yayo esibingelelweni izihlandlo zosixênxe, wasitâmbîsa isibingelelo nempahla yaso yonke, nohehema lwesityа sokuhlambêla noseko lwaso, ukuba zingcwaliswe ezonto;

12 Wagalela inxalenye ye-oli yokutâmbîsa ku-Aron entloko, wamtâmbîsa ukuba angcwaliswe.

13 U-Moses wabasondeza onyana baka-Aron, wabanxiba ingubo zangapântsi, wababînqisa umbînqo, wababopâ iminqwazi, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

14 Wasondeza inkunzi entsha yenkomo yedini lesono, bacinezela o-Aron nonyana

Digitized by Google

bake ngezandla zabo entloko yenkunzi entsha yedini lesono.

15 Yaxèlwa-ke; walitâbatâ u-Moses igazi, walidyoba wajikelezisa ezimpondweni zesibingelelo ngomnwe wakè, isibingelelo wasihlambûlula isono, walipâlazela igazi esisekweni sesibingelelo, wasingcwalisa, ukuba asicamagushele.

16 Wawatâbatâ onke amanqatâ asezibilinini, nomhlehlo wesibindi, nezintso zombîni, nenqatâ lazo, waqûmisela ngezonto u-Moses esibingelelweni.

17 Ke inkunzi entsha yenkomo, nesikûmbâ sayo, nenyama yayo, nomswane wayo wayitshisa ngomlilo ngapândle kweminquba, njengoko u-Yehova wamwisela umtètô u-Moses.

18 Wayisondeza inkunzi yemvu yedini elinyukayo; bacinezela o-Aron nonyana bake ngezandla zabo entloko yenkunzi yemvu.

19 Yaxèlwa-ke; u-Moses walitshiza igazi wajikelezisa esibingelelweni,

20 Inkunzi yemvu wayityatya; waqûmisela u-Moses ngentloko nenyama nenqatâ.

21 Wazihlamba izibilini nentungo ngamanzi, waqûmisela u-Moses ngenkunzi yemvu ipèla esibingelelweni: lidini elinyukayo elo lokuba livumba elitôzamisayo, kukudla kwasemlilweni oko ku-Yehova, njengoko u-Yehova wamwisela umtètô u-Moses.

22 Wayisondeza neyesibini inkunzi yemvu, inkunzi yemvu yokuzalisa isandla; bacinezela o-Aron nonyana bakè ngezandla zabo entloko yenkunzi yemvu.

23 Yaxèlwa-ke; wacapûla u-Moses egazini layo, walidyoba esitînzini sendlebe yasekunene ka-Aron, nasesitûpèni sesandla sakè sokunene, nakubôntsi wonyawo lwakè lwasekunene.

24 Wasondeza onyana baka-Aron, u-Moses wadyoba inxalenye yegazi esitînzini sendlebe yabo yasekunene, nasesitûpèni sesandla sabo sokunene, nakubôntsi wonyawo lwabo lwasekunene, u-Moses walitshiza igazi wajikelezisa esibingelelweni.

25 Walitâbatâ inqatâ, nomsila, namanqatâ onke asezibilinini, nomhlehlo wesibindi, nezintso zombîni, nenqatâ lazo, nomlenze wasekunene;

26 Engobozini yezonka ezingenagwele epâmbî ko-Yehova watâbatâ umqâtâne ongenagwele wamnye, nomqâtâne wesonka esine-oli wamnye, nesonkana esisicaba sasinye, wabeka pèzu kwamanqâtâ napèzu komlenze wasekunene;

27 Wazibeka zonke ezonto ezandleni zika-Aron nasezandleni zonyana bakè, wazitshangatshangisa zangumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova.

28 Wazitâbatâ u-Moses ezandleni zabo, waqûmisela ngazo esibingelelweni pèzu kwedini elinyukayo: zaluzaliso lwezandla, lalivumbâ elitôzamisayo, yakukudla kwasemlilweni ku-Yehova oko.

29 Wayitâbatâ u-Moses incum, wayitshangatshangisa yangumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova; inkunzi yemvu yozaliso lwesandla yaba sisabelo sika-Moses, njengoko u-Yehova wamwisela umtètô u-Moses.

30 Wacapûla u-Moses e-olini yokutâmbîsa, nasegazini elisesibingelelweni, wafefa ku-Aron nasezambâtwèni zakè, nakonyana bakè nasezambâtwèni zonyana bakè kunye naye, wamngcwalisa u-Aron nezambâtô zakè, nonyana bakè nezambâtô zonyana bakè kunye naye.

31 Watî u-Moses ko-Aron nonyana bakè, Yipèkeni inyama emnyango wen-Tente yokuhlangana, niyidle kôna apò nesonka esisengobozini yozaliso lwezandla, njengoko ndawisayo umtètô, ndisiti, O-Aron nonyana bakè boyidla.

32 Into eseleyo yenyama neyesonka noyitshisa ngomlilo.

33 Ize ningapûmi emnyango wen-Tente yokuhlangana, imihla esixènxe, kude kube ngumhla wokuzaliseka kwemihla yokuzaliswa kwenu izandla; kuba bonizalisa izandla imihla esixènxe.

34 Njengoko kwenziwe ngako namhla, u-Yehova uwise umtètô ukuba kwenjiwe njalo ukunicamagushela.

35 Nohlala emnyango wen-Tente yokuhlangana imini nobusuku imihla esixènxe, nigcine isigxina sika-Yehova ukuze ningafi, kuba ndiwiselwe umtètô ngokunjalo.

36 Benza o-Aron nonyana bakè zonke izinto abewise umtètô ngazo u-Yehova ngesandla sika-Moses.

9 Kwatî ngomhla wesibôzo, u-Moses wabiza u-Aron nonyana bakè, namadoda amakûlu akwa-Sirayeli.

2 Watî ku-Aron, Zitâbatèle itôle, inko-

Digitized by Google

nyana yenkomo, ibe lidini lesono, nenkunzi yemvu ibe lidini elinyukayo, ezonto zigqibelele, uzisondeze pâmbî ko-Yehova;

3 Utété konyana baka-Sirayeli, utî, Tâbatâni inkunzi exônti ye-bôkwe ibe lidini lesono, netôle nemvana ezimnyaka mnye, ezigqibeleleyo, zibe lidini elinyukayo;

4 Nenkomo nenkunzi yemvu, zibe ngumbingelelo woxolo wokubingelelwa pâmbî ko-Yehova; nomnikelo wokudla ogalelwe i-oli: ngokuba namhla u-Yehova uya kubonakala kuni.

5 Bakutâbatâ oko u-Moses wawisa umtétô ngakô, bakuzisa pâmbî kwen-Tente yokuhlangana; lasondela lonke ibandla, lema pâmbî ko-Yehova.

6 Watî u-Moses, Lilo eli ilizwi u-Yehova awise umtétô ngalo ukuba nilenze: bobonakala-ke ubuqaqauli buka-Yehova kuni.

7 Watî u-Moses ku-Aron, Sondela esibingelelweni, wenze idini lakô lesono, nedini lakô elinyukayo, uzicamagushele okwakô nokwabantu; wenze umsondezo wabantu, ubacamagushele njengoko u-Yehova wawisa umtétô.

8 Wasondela-ke u-Aron esibingelelweni, walixéla itôle ledini lesono, elilelakê.

9 Balisondeza onyana baka-Aron igazi kuye, wawuti-nxu umnwe wakê egazini, walidyoba ezimpondweni zesibingelelo, walipâlazela igazi esisekweni sesibingelelo.

10 Ke inqatâ, nezintso, nomhlehlo osesibindini, edinini lesono, waqûmisela ngezonto esibingelelweni, njengoko u-Yehova wamwisela umtétô u-Moses.

11 Ke inyama nesikûmbâ wazitshisa ngomlilo ngapândle kweminquba.

12 Walixêla idini elinyukayo; onyana baka-Aron balizisa kuye igazi; walitshiza wajikelezisa esibingelelweni.

13 Balizisa kuye nedini elinyukayo ngenyama zalo, nentloko *yalo;* waqûmisela ngezonto esibingelelweni.

14 Wazihlambâ izibilini nentungo, waqûmisela ngezonto pêzu kwedini elinyukayo esibingelelweni.

15 Wasondeza umsondezo wabantu, watâbatâ i-bôkwe yedini lesono eyeyabantu, wayixéla, wenza idini lesono njengelokuqala.

16 Wasondeza nedini elinyukayo, walenza ngokwesiko.

17 Wawusondeza umnikelo wokudla, wazalisa isandla sakê ngawo, waqûmisela ngawo esibingelelweni, ngapêzu kwedini elinyukayo lakusasa.

18 Wayixêla inkomo nenkunzi yemvu yombingelelo woxolo ongowabantu, balizisa onyana baka-Aron igazi kuye, walitshiza wajikelezisa esibingelelweni;

19 Namanqatâ enkomo nawenkunzi yemvu, nomsila wayo, nomhlehlo, nezintso, nombingelelo woxolo.

20 Bawabeka lomanqatâ pêzu kwazo incum, waqûmisela ngamanqatâ esibingelelweni;

21 Ke incum ezo nomlenze lowo wasekunene wazitshangatshangisa u-Aron zangumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, njengoko wamwiselayo umtétô u-Moses.

22 U-Aron wazipâkamisela ebantwini izandla zakê, wabasikelela; wehla-ke ekulenzeni idini lesono, nedini elinyukayo, nombingelelo woxolo.

23 Bangena o-Moses no-Aron en-Tenteni yokuhlangana; bapûma-ke, babasikelela abantu: babonakala ubuqaqauli buka-Yehova kubo bonke abantu.

24 Kwapûma umlilo ebusweni buka-Yehova, walidla idini elinyukayo namanqatâ apêzu kwesibingelelo; babona bonke abantu, baduma, bawa ngobuso.

10 Kekaloku onyana baka-Aron, abango-Nadabi no-Abihu, batâbatâ elowo ugcedevu lwakê, babeka umlilo kulo, babeka pêzu kwawo isiqûmiso, basondeza pâmbî ko-Yehova umlilo ongesesikweni, abengabawiselanga mtétô ngawo.

2 Kwapûma umlilo ebusweni buka-Yehova, wabadla; bafa pâmbî ko-Yehova.

3 Watî u-Moses ku-Aron, Yilanto wayitêtâyo u-Yehova, watî, Ndozingcwalisela abasondela kum, ndizizukise ebusweni babantu bonke; watî-cwaka u-Aron.

4 U-Moses wabiza u-Mishayeli no-Elitsafan onyana baka-Uziyeli, uyisekazi ka-Aron, watî kubo, Sondelani nibatwale abazalwana benu, nibasuse pâmbî kwengcwele, nibase ngapândle kweminquba.

5 Basondela-ke babatwalela ngapândle kweminquba, benengubo zabo zangapântsi, njengoko watshoyo u-Moses.

6 Watî u-Moses ku-Aron, naku-Elazare naku-Itamare onyana bakê, Musan' ukuziyeka ziyakazele inwele zenu, ningazirazuli ingubo zenu, ukuze ningafi, nokuze umsindo ungalifikeli ibandla lonke; aba-

Digitized by Google

zalwana benu, yonke indlu ka-Sirayeli, bangakulilela bona ukutshisa akutshisileyo u-Yehova.

7 Ize ningapûmi emnyango wen-Tente yokuhlangana, hleze nife; kuba i-oli yokutâmbisa ka-Yehova ipézu kwenu. Benza-ke ngokwelizwi lika-Moses.

8 Watêtâ u-Yehova ku-Aron, esitî,

9 Mus'ukuscla wayini nasiselo sinxilisayo, wena nonyana bakô kunye nawe, ekungeneni kwenu en-Tenteni yokuhlangana, ukuze ningafi: ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu ke-lowo;

10 Ukuze kwahlulwe okungcwele kokuhlambêlayo, nokuyinqambî kokuhlambûlukileyo,

11 Nokuze bayalwe onyana baka-Sirayeli ngemimiselo yonke awayitêtâyo u-Yehova kubo ngo-Moses.

12 Watêtâ u Moses ku-Aron, naku-Elazare naku-Itamare, onyana bakê abaseleyo, watî, Tâbatâni umnikelo wokudla oseleyo ekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova, niwudle ungenagwele ecaleni lesibingelelo; kuba uyingcwele kangcwele lowo;

13 Niwudle endaweni engcwele, kuba umiselwe wena, umiselwe onyana bakô, ekudleni kwasemlilweni kuka-Yehova; kuba ndiwiselwe umtêtô ngokunjalo.

14 Ke incum yomtshangatshangiso nomlenze womfumo, ezonto nozidla endaweni emhlopê, wena nonyana bakô nentombî zakô kunye nawe; kuba zimiselwe wena, zimiselwe onyana bakô, zeniziniki-weyo emibingelelweni yoxolo yonyana baka-Sirayeli.

15 Umlenze womfumo nencum yomtshangatshangiso yoziswa nokudla kwasemlilweni kwamanqatâ, ukuba itshangatshangiswe ibe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, ibe ngowakô nonyana bakô kunye nawe, ibe ngummiselo ongunapâkade, njengoko u-Yehova wawisa umtêtô.

16 I-bókwe yedini lesono wayifuna kunene u-Moses; yini itshisiwe. Wanobufalafume ngaku-Elazare no-Itamare, onyana baka-Aron abaseleyo, esitî,

17 Kutê-nina lento ningalidlanga idini lesono endaweni engcwele, kuba liyingcwele kangcwele; uninike lona ukuze nibutwale ubugwenxa bebandla, ukuze nilicamagushele pâmbî ko-Yehova?

18 Yabonani, alingeniswanga igazi lalo engcweleni pâkatî; ngenilidlile okunene engcweleni, njengoko ndawisa umtêtô.

19 Watêtâ u-Aron ku-Moses, esitî, Yabona, namhla-nje basondeze idini labo lesono nedini labo elinyukayo pâmbî ko-Yehova; ndahlelwa zezizinto; ukuba bendilidlile idini lesono namhla, bekuya kulunga yinina emehlweni ka-Yehova?

20 Weva u-Moses; kwalunga emehlweni akê.

11 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî kubo,

2 Têtâni konyana baka-Sirayeli, nitî, Zizo ezi izinto ezipîlileyo enodla zona ezintweni zonke ezizitô zine ezisemhlabeni.

3 Zonke izinto ezitîwe-gqipû upûpû, ezimpupû zicandwe kubini, ezityisa umtyiso ezintweni ezizitô zine, nozidla ezo.

4 Zezi zodwa eningayi kuzidla kwezityisa umtyiso, nakwezitîwe-gqipû upûpû: in-kamela, ngokuba ityisa umtyiso, ke ayilutê-gqipû upûpû, iyinqambî kuni;

5 Nembîla, ngokuba ityisa umtyiso, ke ayilutê-gqipû upûpû, iyinqambî kuni;

6 Nomvundla, ngokuba utyisa umtyiso, ke awulutê-gqipû upûpû, uyinqambî kuni;

7 Nehangu, ngokuba ilutê-gqipû upûpû, ke ilucande kubini upûpû, yabe ingawutyisi umtyiso, iyinqambî kuni.

8 Inyama yezonto ize ningayidli, nesidûmbû sazo ningasicûkumisi; zizinqambî kuni.

9 Ezintweni zonke ezisemanzini nozidla ezi: zonke izinto ezinamapîko namaxolo emanzini, ezilwandleni nasemilanjeni, nozidla zona;

10 Ke zonke izinto ezingenamapîko namaxolo ezilwandleni nasemilanjeni, enyakanyakeni yonke esemanzini nasezintweni ezipîlileyo ezisemanzini, zoba nezotê kuni,

11 Zibe nezotê kuni; ize ningayidli inyama yazo; nezidûmbû zazo zibe nezotê kuni.

12 Zonke izinto ezingenamapîko namaxolo emanzini zoba nezotê kuni.

13 Zezi ezintakeni ezoba nezotê kuni; zezingadliwa, zinezotê zona: ixâlanga, nokôzi, nonomakwêzana,

Digitized by Google

14 Nentambânane, nengqanga ngohlobo lwayo;
15 Nehlungulu lonke ngohlobo lwalo;
16 Nenciniba, nodebeza, neñañane, nontloyiya ngohlobo lwakê;
17 Nesikôva, nehlungulu laselwandle, nefubesi,
18 Nenkuk'amanzi, nencwângube, nokêtshe;
19 Nengwamza, nokwâlimanzi, ngohlobo lwakê, nobôbôyi, nelulwane.

20 Yonke inyakanyaka enamapîko, ehambâ ngazitô zine, yoba nezotê kuni.
21 Zezi zodwa enozidla kwinyakanyaka yonke enamapîko, ehambâ ngazitô zine, enemilenze yomibini, entla kwenyawo zayo, yokuba itshakace ngayo emhlabeni;
22 Zezi-ke kuzo enozidla: inkumbî ngohlobo lwayo, nesibotô ngohlobo lwaso, nomqâtû ngohlobo lwawo, nomcikwane ngohlobo lwawo.
23 Ke yonke inyakanyaka enamapîko, enazitô zine, yoba nezotê kuni.

24 Ngenxa yayo noba zinqambî; abacûkumisa isidûmbû sayo, boba yinqambî bahlwise;
25 Bonke abasusa nto yesidûmbû sayo, bohlambâ ingubo zabo, babe zinqambî bahlwise.
26 Yonke into ezitô zine elutê-gqipû upûpû, ukulucanda ingalucandi kubini, ngatyisi-mtyiso, iyinqambî kuni; bonke abayicûkumisayo boba zinqambî.
27 Nento zonke ezihambâ ngamatûpâ azo, ezintweni zonke ezipîlileyo ezihambâ ngazitô zine, ziyinqambî kuni; bonke abasicûkumisayo isidûmbû sazo, boba zinqambî bahlwise.
28 Lowo ususa isidûmbû sazo, wohlambâ ingubo zakê, abe yinqambî ahlwise; zinqambî zona kuni.

29 Zezi ezoba zinqambî kuni enyakanyakeni enyakazela emhlabeni: igala, nempuku, noxam ngohlobo lwakê;
30 Nentulo, necilishe, nofoqotyeni, noqebeyi, nolovane.
31 Zezo ezizinqambî kuni enyakanyakeni yonke; bonke abazicûkumisayo zifile, boba zinqambî bahlwise.
32 Into zonke, ezitê zawelwa yenye yazo ifile, zoba zinqambî: nokuba zimpahla zonke zemitî, nokuba zingubo, nokuba zikûmbâ, nokuba zinxôwa, zonke impahla ekusetyenzwa ngazo, zonyiwa emanzini, zibe zinqambî zihlwise; zize zihlambûluke-ke;
33 Impahla zonke zomdongwe, etê yeyela kuzo enye yazo, zoba zinqambi zonke izinto ezipâkatî kwazo, noziqêkezake.
34 Konke ukudla okudliwayo, okufikiweyo ngamanzi akwezompahla, koba yinqambî; nento yonke eselwayo ngezompahla zonke, yoba yinqambî.
35 Into yonke etê yawelwa nayindawoni yesidûmbû sazo, yoba yinqambî; nokuba yi-bâk'onti, nokuba ngungxawu, ize yapûlwe, iyinqambî, yoba yinqambî kuni.
36 Kodwa umtômbô, nequla elimentlanganisela yamanzi lohlambûluka; osicûkumisayo isidûmbû sazo woba yinqambî.
37 Xa kutê kwawa nandawo-ni yesidûmbû sazo embêwini yonke ehlwayelwayo, eza kuhlwayelwa, yohlambûluka yona.
38 Xa kutê kwagalelwa amanzi embêwini, kwawa nandawo-ni yesidûmbû sazo pezu kwayo, yoba yinqambî kuni.

39 Xa kutê kwafa nto izitô zine idliwayo nini, lowo usicûkumisayo isidûmbû sayo woba yinqambî ahlwise.
40 Lowo udlayo esidûmbîni sayo, wozihlambâ ingubo zakê, abe yinqambî ahlwise; nalowo ususa isidûmbû sayo, wozihlambâ ingubo zakê, abe yinqambî ahlwise.

41 Yonke inyakanyaka enyakazela emhlabeni inezotê, mayingadliwa.
42 Zonke izinto ezihambâ ngesisu, nento zonke ezihambâ nganyawo ne, kude kuse kwinto zonke ezinenyawo ezininzi, enyakanyakeni yonke enyakazelayo emhlabeni, ize ningazidli; ngokuba zinezotê.
43 Musan' ukuyenza imipêfumlo yenu ibe nezotê ngenyakanyaka yonke enyakazelayo, ize ningazenzi inqambî ngayo, nibe yinqambî ngayo.
44 Ngokuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, zenizingcwalise nibe ngcwele; ngokuba ndiyingcwele; ize ningayenzi inqambî imipêfumlo yenu ngenyakanyaka yonke enambûzelayo emhlabeni.
45 Ngokuba ndingu-Yehova oninyuse ezweni lase-Yiputa, ukuba ndibe ngu-Tîxo wenu; ize nibe ngcwele, ngokuba ndiyingcwele.

Digitized by Google

46 Nguwo lowo umyalelo wento ezizitô zine, nentaka, nemipêfumlo yonke epîlileyo enambûzelayo emanzini, nemipêfumlo yonke enyakazelayo emhlabeni;
47 Woyahlula eyinqambî kwehlambûlukileyo, nento epîlileyo edliwayo kwinto epîlileyo engadliwayo.

12 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Tètâ konyana baka-Sirayeli, utî, Umfazi, xa atê watâbatâ, wazala inkwenkwe, woba yinqambî imihla esixênxe; njengemihla yokuncôla komzî wakê woba yinqambî.
3 Ngomhla wesibôzo iya kwalûswa inyama yejwabu layo;
4 Aze ahlale egazini lokuhlanjululwa kwakê intsuku ezimashumi matâtû anantsuku ntatû; angazicûkumisi zonke izinto ezingcwele, angangeni engcweleni, zide zizaliseke intsuku zokuhlanjululwa kwakê.
5 Ke ukuba utê wazala intombî, woba yinqambî i-veki ezimbîni njengasekuncôleni kwakê; ahlale pêzu kwegazi lokuhlanjululwa kwakê intsuku ezimashumi matândatû anantsuku ntandatû.
6 Ekuzalisekeni kwentsuku zokuhlanjululwa kwakê ngonyana, nokuba kungentombî, wozisa imvana emnyaka-mnye ibe lidini elinyukayo, negobo lezuba nokuba lihobe, libe lidini lesono, emnyango wen-Tente yokuhlangana, kuye umenzeleleli;
7 Alisondeze yena pâmbî ko-Yehova, amcamagushele, aze ahlambuluke-ke etômbêni legazi lakê: nguwo lowo umyalelo wozeleyo inkwenkwe nokuba yintombî.
8 Ke ukuba isandla sakê sitê asabi nakufumana nto ilingana nemvana, wotâbatâ amahobe abe mabini, nokuba ngamagobo ezuba abe mabini, elinye libe leledini elinyukayo, elinye libe leledini lesono, umenzeleleli amcamagushele, aze ahlambûluke-ke.

13 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,
2 Umntu xa kutê kwakô eluswîni lwenyama yakê ukufukuka, nokuba kujaduka, nokuba litshatshazi, laba sibetô seqênqa eluswîni lwenyama yakê: woziswa ku-Aron umenzeleleli, nokuba kukomnye wonyana bakê abenzeleleli;
3 Asikângele umenzeleleli isibetô eluswîni lwenyama yakê, ukuba lutê unwele esibetôweni lwasuka lwaba mhlopê, sabonakala isibetô sitê-gangqa eluswîni lwenyama yakê: sibetô seqênqa-eso; womkângela umenzeleleli, atî uyinqambî.
4 Ukuba itshatshazi litê lamhlopê eluswîni lwenyama yakê, alabonakala litêgangqa eluswîni, alwasuka lwamhlopê unwele lwalo, umenzeleleli womvalela onesibetô imihla esixênxe;
5 Umenzeleleli amkângele ngomhla wesixênxe; O! isibetô simi emehlweni akê, asiqênqetî isibetô eluswîni, wopînda umenzeleleli amvalele imihla esixênxe;
6 Umenzeleleli apînde amkângele ngomhla wesixênxe; O! isibetô sibunile, asiqênqetî isibetô eluswîni, umenzeleleli wotî uhlambûlukile: kujaduka oko; azihlambê ingubo zakê, aze ahlambûluke-ke.
7 Ukuba ukujaduka kutê kwaqênqetâ kakûlu eluswîni emva kokubonakala kwakê kumenzeleleli ngenxa yokuhlanjululwa kwakê, wopînda abonakale kumenzeleleli;
8 Umenzeleleli, akângele, O! ukujaduka kuqênqetîle eluswîni; umenzeleleli wotî uyinqambî: liqênqa-ke elo.

9 Isibetô seqênqa, xa sitê sabakô emntwini, woziswa kumenzeleleli;
10 Akângele umenzeleleli, O! ukufukuka kumhlopê eluswîni, kulwenze unwele lwamhlopê, kukô inyama erwada, ehleliyo ekufukukeni apô:
11 Liqênqa elidala eli eluswîni lwenyama yakê; umenzeleleli wotî uyinqambî; angamvaleli, ngokuba uyinqambî.
12 Ke ukuba iqênqa litê-qwele kakûlu eluswîni, iqênqa lalugubungela lonke ulusú lonesibetô, latâbatêla entloko lesa ezinyaweni, ngokubona konke kwamehlo omenzeleleli,
13 Umenzeleleli wokângela; O! liyigubungele yonke inyama yakê iqênqa, wotî uhlambûlukile onesibetô; usuke wamhlopê wonke epêla, uhlambûlukile.
14 Ke ngomhla ebonakeleyo kuye inyama erwada, uyinqambî,
15 Aze ayikângele umenzeleli inyama erwada, atî uyinqambî; inyama erwada iyinqambî: liqênqa-ke elo.
16 Naxa itê yabuya inyama erwada, yasuka yamhlopê, woza kumenzeleleli;
17 Umenzeleleli amkângele, O! sisuke

Digitized by Google

isibetô samhlopê, umenzeleleli wotî uhlambûlukile onesibetô; uhlambûlukile-ke yena.

18 Ke inyama, xa kutê kwakô kuyo eluswíni lwayo itûmbâ, lapôla;
19 Kwakô endaweni yetûmbâ ukufukuka okumhlopê, nokuba litshatshazi elifun'ukuba yingqombêla, wobonakala kumenzeleleli;
20 Akângele umenzeleleli, O! libonakala litê-gangqa eluswíni, unwele lwalo lusuke lwamhlopê, umenzeleleli wotî uyinqambî: sibetô seqênqa eso, sitê-qwele etûmbêni.
21 Ukuba umenzeleleli utê wakângela, O! akukô lunwele lumhlopê kulo, alitê-gangqa eluswíni, libunile, umenzeleleli womvalela imihla esixênxe.
22 Ke ukuba litê laqênqetâ kakûlu eluswíni, umenzeleleli wotî uyinqambî: sibetô eso.
23 Ke ukuba itshatshazi litê lema endaweni yalo, alaqênqetâ: kuqulungana kwetûmbâ oko; umenzeleleli wotî uhlambûlukile.

24 Ke inyama, xa kutê kwakô eluswíni lwayo umtshiso womlilo, kwatî ukupôla komtshiso kwalitshatshazi elifun' ukuba yingqombêla, nokuba limhlopê kanye,
25 Walikângela umenzeleleli itshatshazi, O! lusuke lwamhlopê unwele etshatshazini, libonakala litê-gangqa eluswíni: liqênqa ke-elo; litê-qwele emtshisweni; umenzeleleli wotî uyinqambî: sibetô seqênqa ke-eso.
26 Ukuba utê wakângela umenzeleleli, O! akukô lunwele lumhlopê etshatshazini, alitê-gangqa eluswíni, libunile: umenzeleleli womvalela imihla esixênxe;
27 Akângele umenzeleleli ngomhla wesixénxe; ukuba itê laqênqetâ kakûlu eluswíni, umenzeleleli wotî uyinqambî: sibetô seqênqa ke-eso.
28 Ke ukuba itshatshazi litê lema endaweni yalo, alaqênqetâ eluswíni, lisuke labuna: kukufukuka komtshiso oko; umenzeleleli wotî uhlambûlukile; kuba kuqulungana komtshiso oko.

29 Xa kutê kwakô isibetô kwindoda nenkazana entloko, nokuba kusesilevini;
30 Wasikângela umenzeleleli isibetô, O! sitê-gangqa eluswíni ukubonakala kwaso, kukô unwele kuso olulubêlu olomileyo, umenzeleleli wotî iyinqambî: kudlatûka *kwenwele* oko, liqênqa lasentloko, nokuba lelasesilevini elo.
31 Xa atê umenzeleleli wasikângela isibetô sokudlatûka *kwenwele*, O! asitê-gangqa eluswíni ukubonakala kwaso, kungekô lunwele lulubêlu kuso, umenzeleleli womvalela onesibetô sokudlatûka *kwenwele* imihla esixênxe.
32 Umenzeleleli, xa atê wamkângela onesibetô ngomhla wesixênxe, O! ukudlatûka akuqênqetânga, akwabikô lunwele lulubêlu kuye, ukubonakala kokudlatûka kungatânga-gangqa eluswíni,
33 Wozicêba, kodwa angayicêbi indawo edlatûkileyo; apínde umenzeleleli amvalele imihla esixênxe onendawo edlatûkileyo.
34 Umenzeleleli, akukukângela ngomhla wesixênxe ukudlatûka, O! ukudlatûka akuqênqetânga eluswíni, ukubonakala kwakô kungatânga-gangqa eluswíni, umenzeleleli wotî uhlambûlukile; wozihlambâ ingubo zakê, ahlambûluke-ke.
35 Ukuba ukudlatûka kutê kwaqênqetâ kakûlu eluswíni emveni kokuhlanjululwa kwakê,
36 Wakukângela umenzeleleli, O! ukudlatûka kuqênqetîle eluswíni, umenzeleleli akasokuba sapîcotâ lunwele lulubêlu: uyinqambî yena.
37 Ukuba kusuke kwema ukudlatûka emehlweni akê, kwakûla unwele olumnyama kukô, kupôlile ukudlatûka, uhlambûlukile; umenzeleleli wotî uhlambûlukile.

38 Xa kutê kwakô kwindoda nakwinkazana eluswíni lwenyama yayo amatshatshazi, amatshatshaz' amhlopê,
39 Wakângela umenzeleleli, O! amatshatshazi eluswíni lwenyama yabo akanabuhlopê: litshanda elo, litê-qwele eluswíni; uhlambûlukile.

40 Indoda xa itê intloko yayo yaguda: yinqayi yasekôsi leyo, uhlambûlukile.
41 Ukuba itê yaguda intloko yayo, yatâbatêla ecaleni lobuso bayo: yimpandla yinqayi yasekôsi leyo, uhlambûlukile.
42 Xa kutê kwakô enqayini yasekôsi, nokuba kusempandleni isibetô esimhlopê sayingqombêla: liqênqa elo elitê-qwele enqayini yakê yasekôsi nokuba kusempandleni yakê.

Digitized by Google

43 Umenzeleleli womkângela, O! ukufukuka kwesosibetô kumhlopê kwayingqombêla enqayini yakê yasekôsi nokuba kusempandleni yakê, ngokubonakala kweqênqa lolusú lwenyama:
44 Yindoda eneqênqa leyo, iyinqambî; umenzeleleli wotî iyinqambî kupêle; isibetô sayo sisentloko yayo.

45 Lowo uneqênqa, lowo sikuye isibetô, zoŕazulwa ingubo zakê, ziyekwe inwele ziyakazele, azigqubutêle indevu, adanduluke, esitî, Ndiyinqambî. ndiyinqambî!
46 Yonke imihla esikôyo kuye isibetô, woba yinqambî kupêle, ahlale yedwa ngapândle kweminquba ukuhlala kwakê.

47 Ingubo, xa sitê sabakô kuyo isibetô seqênqa engutyeni yoboya, nasengutyeni ye-linen,
48 Naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, lwe-linen noloboya, nasesikûmbêni, nasezintweni zonke ezenziwe ngesikûmbâ;
49 Ukuba isibetô eso siba buhlazafa, nokuba siba yingqombêla engutyeni, nasesikûmbêni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikûmbâ: sibetô seqênqa eso; soboniswa umenzeleleli,
50 Asikângele umenzeleleli isibetô, ayivalele into enesibetô imihla esixênxe;
51 Ayikângele lonto inesibetô ngomhla wesixênxe. Xa sitê saqênqetâ isibetô engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasesikûmbêni, entweni zonke ezenziwe ngesikûmbâ: liqênqa elisenza mandundu isibetô, yinqambî ke-leyo.
52 Woyitshisa ingubo, nosinga lokoluka, nosinga lokuluka, noboya, ne-linen, nempahla yonke yesikûmbâ esikôyo kuyo isibetô: ngokuba liqênqa elimandundu; yotshiswa *lompahla* ngomlilo.
53 Ukuba umenzeleleli utê wakângela, O! isibetô asiqênqetânga engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikûmbâ:
54 Wowisa umtêtô umenzeleleli, ihlanjwe lonto sikôyo kuyo isibetô, apînde ayivalele imihla esixênxe;
55 Asikângele umenzeleleli isibetô emveni kokuhlanjwa, O! isibetô asiguqukanga ukubonakala kwaso, asiqênqetânga isibetô: yinqambî lonto; yotshiswa ngomlilo. Yinrombônca ngapâkatî nangapândle.
56 Ke ukuba utê wakângela umenzeleleli, O! isibetô sibunile emveni kokuhlanjwa kwaso: wosiŕazula asikûpê engutyeni, nasesikûmbêni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka.
57 Ukuba sitê sabuya sabonakala engutyeni, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikûmbâ: kukutî-qwele kwaso oko; woyitshisa ngomlilo lonto sikôyo kuyo isibetô.
58 Ingubo, nosinga lokoluka, nosinga lokuluka, nempahla yonke yesikûmbâ ehlanjiweyo; ukuba sitê isibetô semka kuyo, yopînda ihlanjwe, ihlambûluke-ke.
59 Nguwo lowo-ke umyalelo wesibetô seqênqa engutyeni yoboya neye-linen, naselusingeni lokoluka, naselusingeni lokuluka, nasempahleni yonke yesikûmbâ, wokutî zihlambûlukile, nowokutî ziyinqambî.

14 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Lo woba ngumyalelo woneqênqa ngomhla wokuhlanjululwa kwakê: woziswa kumenzeleleli,
3 Apûme umenzeleleli aye ngapândle kweminquba, akângele umenzeleleli, O! isibetô seqênqa sipîlisiwe, semka koneqênqa;
4 Awise umtêtô umenzeleleli, ukuba lowo uzihlambûlulayo atâtyatêlwe intaka ezimbîni ezipîlileyo ezihlambûlukileyo, nom-sedare, noboya obubomvu, ne-hisopê;
5 Awise umtêtô umenzeleleli, enye intaka empahleni yomdongwe ixêlelwe pêzu kwamanzi apîlileyo;
6 Ayitâbatê intaka epîlileyo, nom-sedare, noboya obubomvu, ne-hisopê, azitî-nku ndawonye nentaka epîlileyo egazini lentaka exêlelwe pêzu kwamanzi apîlileyo;
7 Amfefe lowo uza kuhlanjululwa eqênqeni lakê izihlandlo zibe sixênxe, atî uhlambûlukile, ayindulule intaka epîlileyo iye ezindle;
8 Lowo uzihlambûlulayo azihlambê ingubo zakê, acêbe zonke inwele zakê, ahlambê emanzini, ahlambûluke-ke; emveni koko angene eminqubeni, ahlale ngapândle kwen-tente yakê imihla esixênxe;
9 Kutî ngomhla wesixênxe, acêbe zonke inwele zakê entloko, nasesilevini sakê, nasemashiyini akê, azicêbe zonke inwele zakê, azihlambê ingubo zakê, ahlambê u-

Digitized by Google

mzimbâ wakê emanzini, ahlambûlukeke;

10 Ngomhla wesibôzo atâbatê imvana ezimbini ezigqibeleleyo nemvanazana emnyaka-mnye egqibeleleyo ibe-nye, nezahlulo ezitâtû zesishumi zomgubo onengiweyo, ube ngumnikelo wokudla ugalelwe i-oli, ne-loge [1] ye-oli ibe-nye;

11 Ayimise umenzeleleli ohlambûlulayo, indoda ezihlambûlulayo, nezonto pâmbî ko-Yehova emnyango wen-Tente yokuhlangana;

12 Ayitâbatê umenzeleleli enye imvana, ayisondeze ibe lidini letyala, ne-loge ye-oli, azitshangatshangise zibe ngumtshangatshangiso ezonto pâmbî ko-Yehova;

13 Ayixêlele imvana apô kuxêlelwa kôna idini lesono nedini elinyukayo endaweni engcwele; kuba njengokuba lilelomenzeleleli idini lesono, likwanjalo idini letyala: liyingcwele kangcwele;

14 Acapûle umenzeleleli egazini ledini letyala, adyobe umenzeleleli esitînzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambûlulayo, nasesitûpêni sesandla sakê sokunene, nakubôntsi wonyawo lwakê lwasekunene;

15 Acapûle umenzeleleli e-logeni ye-oli, ayigalele esandleni somenzeleleli sasekôhlo;

16 Awutî-nxu umênzeleleli umnwe wakê wasekunene e-olini esesandleni sakê sasekôhlo, afefe inxalenye ye-oli ngomnwe wakê izihlandlo ezisixênxe pâmbî ko-Yehova;

17 Inxalenye ye-oli eseleyo esesandleni sakê, umenzeleleli ayidyobe esitînzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambûlulayo, nasesitûpêni sesandla sakê sasekunene, nakubôntsi wonyawo lwakê lwasekunene, pêzu kwegazi ledini letyala;

18 Eseleyo i-oli esesandleni somenzeleleli ayigalele entloko kulowo uzihlambûlulayo, umenzeleleli amcamagushele-ke pâmbî ko-Yehova;

19 Umenzeleleli alenze idini lesono, amcamagushele lowo uzihlambûlulayo ngenxa yobunqambî bakê; emveni koko alixêle idini elinyukayo,

20 Alinyuse umenzeleleli idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, esibingelelweni, umenzeleleli amcamagushele, wohlambûluka-ke.

21 Ukuba utê wasisweli, nesandla sakê asabi nakukufumana oko, wotâbatâ imvana ibe-nye, ibe lidini letyala lokutshangatshangisa, amcamagushele, nesahlulo seshumi somgubo onengiweyo, ugalelwe i-oli, sibe sinye, ube ngumnikelo wokudla, ne-loge ye-oli;

22 Namahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini amazuba, esinokuwafumana isandla sakê, elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo;

23 Awazise ngomhla wesibôzo, kumenzeleleli, ukuba ahlanjululwe emnyango wen-Tente yokuhlangana pâmbî ko-Yehova;

24 Umenzeleleli ayitâbatê imvana elidini letyala, ne-loge ye-oli, *ezonto* umenzeleleli azitshangatshangise zibe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova;

25 Ayixêle imvana yedini letyala, acapûle umenzeleleli egazini ledini letyala, alidyobe esitînzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambûlulayo, nasesitûpêni sesandla sakê sasekunene, nakubôntsi wonyawo lwakê lwasekunene;

26 Inxalenye ye-oli ayigalele umenzeleleli esandleni somenzeleleli sasekôhlo,

27 Umenzeleleli afefe ngomnwe wakê wasekunene inxalenye ye-oli esesandleni sakê sasekôhlo, izihlandlo zibe sixênxe pambî ko-Yehova;

28 Umenzeleleli adyobe inxalenye ye-oli esesandleni sakê esitînzini sendlebe yasekunene yalowo uzihlambûlulayo, nasesitûpêni sesandla sakê sasekunene, nakubôntsi wonyawo lwakê lwasekunene, pêzu kwendawo enegazi ledini letyala;

29 Eseleyo i-oli esesandleni somenzeleleli ayigalele êntloko kulowo uzihlambûlulayo, amcamagushele pâmbî ko-Yehova;

30 Alinikele elinye ihobe, nokuba lelinye igobo lezuba, esinokulifumana isandla sakê,

31 Oko sinokukufumana isandla sakê; elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo ndawonye nomnikelo wokudla, umenzeleleli amcamagushele lowo uzihlambûlulayo pâmbî ko-Yehova.

32 Nguwo lowo umyalelo walowo sikôyo kuye isibetô seqênqa, osandla singabanga nakufumana nto angahlanjululwa ngayo.

33 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

34 Xa nitê nafika ezweni lakwa-Kanan,

[1] I-loge ezine zi-kwarte ezintatû.

Digitized by Google

endininika lona ukuba libe lelenu, ndasibeka isibetŏ seqênqa endlwini yelizwe-elo lilelenu,

35 Makeze umnini-ndlu, amxelele umenzeleleli, esitî, Kubonakala kum ngatî kukŏ isibetŏ endlwini;

36 Awise umtêtŏ umenzeleleli, ukuba bayikûpê impahla endlwini, engekangeni umenzeleleli ukuba asikângele isibetŏ, ukuze ingabi nqambî yonke into esendlwini; emveni koko wongena umenzeleleli ukuba ayikângele indlu.

37 Akusikângela isibetŏ, O! isibetŏ sisezindongeni zendlu, sizizifanya ezibuhlaza*a*, nokuba zifun'ukuba ngqombêla, ukubonakala kwazo zitê-gangqa eludongeni:

38 Wopûma umenzeleleli endlwini, aye emnyango wendlu, ayivale indlu imihla esixênxe;

39 Abuye umenzeleleli ngomhla wesixênxe, akângele, O! siqênqetîle isibetŏ ezindongeni zendlu;

40 Awise umtêtŏ umenzeleleli, ukuba a*f*olwe amatye esikuwo isibetŏ-eso, apŏswe ngapândle komzi endaweni eyinqambî;

41 Ayipâle indlu ngapâkatî ngenxa zonke, bawupŏse umhlaba abawupâlileyo ngapândle komzi endaweni eyinqambî;

42 Batâbatê matye wambî, bawafake endaweni yalomatye, kutâtyatwe olunye udaka, ityatyekwe indlu.

43 Ukuba sitê sabuya isibetŏ satî-qwele endlwini emveni koku*f*olwa kwamatye, nasemveni kokupâlwa kwendlu, nasemveni kokutyatyekwa kwayo:

44 Wongena umenzeleleli, ăkângele, O! siqênqetîle isibetŏ endlwini: liqênqa elimandundu endlwini, iyinqambî-ke.

45 Yodilizwa indlu namatye ayo, nemitî yayo, nodaka lonke lwendlu, zikûtshelwe ngapândle komzi *ezonto*, ziye kulahlelwa endaweni eyinqambî.

46 Lowo ungenayo endlwini, yonke imihla yokuvalwa kwayo, woba yinqambî ahlwise.

47 Lowo ulele kulondlu, wozihlambâ ingubo zakê, nalowo udlele kulondlu, wozihlambâ ingubo zakê.

48 Ukuba umenzeleleli utê wangena, wakângela, O! isibeto asiqênqetânga endlwini emveni kokutyatyekwa kwendlu, umenzeleleli wotî ihlambûlukile indlu, ngokuba isibetŏ sipîlisiwe;

49 Atâbatê into yokuhlambûlula indlu: intaka zibe mbini, nom-sedare, noboya obubomvu, ne-hisopê;

50 Ayixêlele enye intaka empahleni yomdongwe pêzu kwamanzi apîlileyo,

51 Awutâbatê um-sedare, ne-hisopê, noboya obubomvu, nentaka epîlileyo, azitînxu egazini lentaka exêliweyo, nasemanzini apîlileyo, ayifefe indlu izihlandlo zibe sixênxe;

52 Ayihlambûlule indlu ngegazi lentaka leyo, nangamanzi apîlileyo, nangentaka epîlileyo, nangom-sedare, nange-hisopê, nangoboya obubomvu;

53 Ayindulule intaka epîlileyo iye ngapândle komzi, iye ezindle, ayicamagushele indlu; yohlambûluka-ke.

54 Nguwo lowo umyalelo osingisele kuzo zonke izibetŏ zeqênqa nakukŏ ukudlatûka kwenwele,

55 Nakulo iqênqa lengubo nelendlu,

56 Nakukŏ ukufukuka, nakuyo injaduko, nakulo itshatshazi,

57 Aboyalwa ngawo ngemini yento eyinqambî, nangemini yento ehlambûlukileyo. Nguwo lowo umyalelo weqênqa.

15 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

2 Têtâni konyana baka-Sirayeli, nitî kubo, Indoda ngendoda, xa ite yanobŏbŏzo olupûma enyameni yayo, iyinqambî ngobŏbŏzo lwayo olo.

3 Boba bobu ubunqambî bayo ekubŏbŏzeni kwayo; nokuba inyama yayo iyaciza ukubŏbŏza kwayo, nokuba inyama iyakuvingca ukubŏbŏza kwayo: bubunqambî bayo obo.

4 Sonke isilili alala kuso lowo ubŏbŏzayo soba yinqambî, nempahla yonke ahlala kuyo yoba yinqambî.

5 Indoda esukuba isicûkumisa isilili salowo, yozihlambâ ingubo zayo, ihlambê emanzini, ibe yinqambî ihlwise.

6 Lowo uhlala pêzu kwempahla abehleli kuyo obŏbŏzayo, wozihlambâ ingubo zakê, ahlambê emanzini, abe yinqambî ahlwise.

7 Lowo uwucûkumisayo umzimbâ wobŏbŏzayo, wozihlambâ ingubo zakê, ahlambê emanzini, abe yinqambî ahlwise.

8 Xa atê obŏbŏzayo wamtshicela ohlambûlukileyo, wozihlambâ ingubo zakê, ahlambê emanzini, abe yinqambî ahlwise.

Digitized by Google

9 Zonke inqwelo asukuba ekwêla kuzo obôbôzayo zoba zinqambî.
10 Bonke abo bacûkumisa nanto-ni ibipântsi kwake, boba zinqambî bahlwise, lowo uyitwalayo, wozihlambâ ingubo zakê, ahlambê emanzini, abe yinqambî ahlwise.
11 Bonke abasukuba bemcûkumisa obôbôzayo, bangazigaleli amanzi izandla zabo, bozihlambâ ingubo zabo, bahlambê emanzini, babe zinqambî bahlwise.
12 Impahla yomdongwe abeyicûkumisile obôbôzayo yoqêkezwa; yonke impahla yomtî yoxukuxwa ngamanzi.
13 Xa atê wahlambûluka obôbôzayo ekubôbôzeni kwakê, wozibalela imihla esixênxe yokuhlanjululwa kwakê, azihlambê ingubo zakê, awuhlambê umzimbâ wakê emanzini apîlileyo, wohlambûluka-ke;
14 Ngomhla wesibôzo azitâbatêle amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini ezuba, eze pâmbî ko-Yehova emnyango wen-tente yokuhlangana, awanike umenzeleleli,
15 Awanikele umenzeleleli, elinye libe *lidini* lesono, elinye libe lidini elinyukayo; umenzeleleli amcamagushele pâmbî ko-Yehova ngenxa yokubôbôza kwakê.

16 Indoda xa itê yancolá, yowuhlambâ wonke umzimbâ wayo emanzini, ibe yinqambî ihlwise.
17 Nengubo zonke, nezikûmbâ zonke ezinoncoló, zohlanjwa ngamanzi, zibe zinqambî zihlwise.
18 Ke umfazi etê indoda yamlala, bôhlamba ngamanzi, babe zinqambî bahlwise bobabini.

19 Umfazi xa atê wampompoza, kwaligazi ukumpompoza kwakê enyameni yakê, woba sekuncôleni kwake imihla esixênxe; bonke abo bamcûkumisayo boba zinqambî bahlwise.
20 Yonke into asukuba elala pêzu kwayo ekuncôleni kwakê, yoba yinqambî; nento yonke asukuba ehlala pêzu kwayo, yoba yinqambî.
21 Bonke abo bacûkumisa isilili sakê bozihlambâ ingubo zabo, bahlambê emanzini, babe zinqambî bahlwise.
22 Bonke abo bacûkumisa nanto-ni yempahla, ahlala pêzu kwayo, bozihlambâ ingubo zabo, bahlambê emanzini, babe zinqambi bahlwise.
23 Nokuba lisesililini, nokuba lisempahleni ahlala kuyo, ekulicûkumiseni kwabo boba zinqambî bahlwise.
24 Ukuba indoda itê yalala naye, kwafikelela kuyo ukuncôla kwakê, yoba yinqambi imihla esixênxe, nesilili sonke elele kuso soba yinqambî.

25 Umfazi xa atê wampompoza ukumpompoza kwegazi lakê imihla emininzi, ingelilo ixesha lokuncôla kwakê, naxa litê lampompoza ngapêzu kwelokuncôla kwakê: yonke imihla yokumpompoza kobunqambî bakê yoba njengemihla yokuncôla kwakê, abe yinqambî yena.
26 Zonke izilili, atê walala kuzo yonke imihla yokumpompoza kwakê, zoba njengesilili sokuncôla kwakê kuye; zonke impahla, atê wahlala kuzo, zoba zinqambî njengobunqambî bokuncôla kwakê.
27 Bonke abo bazicûkumisayo ezonto, boba zinqambî; bazihlambê ingubo zabo, bahlambê emanzini, babe zinqambî bahlwise.
28 Ukuba utê wahlambûluka ekumpompozeni kwakê, wozibalela imihla esixênxe emveni koko, ahlambûluke-ke;
29 Ngomhla wesibôzo azitâbatêle amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini ezuba, awazise kumenzeleleli emnyango wen-tente yokuhlangana,
30 Awanikele umenzeleleli elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo; umenzeleleli amcamagushele pâmbî ko-Yehova ngenxa yokumpompoza kobunqambî bakê.

31 Nibakwêlelise-ke onyana baka-Sirayeli ebunqambîni babo; bangafeli ebunqambîni babo ngokuwenza inqambî umnquba wam, opakâtî kwabo.

32 Nguwo lowo umyalelo walowo ubôbôzayo, nowoncolâyo waba yinqambî ngalonto;
33 Nowalowo unomzî wokuncôla kwakê, nowalowo umpompoza ukumpompoza kwakê, nokuba yindoda, nokuba ngumfazi, nokuba yindoda elele nomfazi oyinqambî.

16 Watêtâ u-Yehova ku-Moses emveni kokufa konyana ababini baka-Aron, ekusondeleni kwabo pâmbî ko-Yehova, baza bafa;

Digitized by Google

2 Watî u-Yehova ku-Moses, Têtâ ku-Aron umkûluwa wakô, angangeni ngamaxesha onke engcweleni ngapâya komahlulo, pâmbî kwesihlalo sokucamagusha esipêzu komkômbê, ukuze angafi; kuba ndiya kubonakala efini pêzu kwesihlalo sokucamagusha.

3 Wongena u-Aron engcweleni enezizinto: enenkunzi entsha, elitôle lenkomo, ibe lidini lesono, nenkunzi yemvu ibe lidini elinyukayo.

4 Uya kwambâtâ ingubo engcwele yangapântsi ye-linen emhlopê, ibekô ne-bûlukwê ye-linen emhlopê emzimbeni wakê, abînqiswe ngombînqo we-linen emhlopê, ajikele unkontsho lwe-linen emhlopê: zingubo ezingcwele ezo; awuhlambê umzimba wakê emanzini, azinxibe-ke.

5 Atâbatê ebandleni lonyana baka-Sirayeli inkunzi ze-bôkwe ezixônti zibe mbîni zibe lidini lesono, nenkunzi yemvu enye ibe lidini elinyukayo.

6 Ayisondeze u-Aron inkunzi entsha yenkomo yedini lesono elilakê, azicamagushele okwakê nokwendlu yakê;

7 Azitâbatê inkunzi ze-bôkwe zombîni, azimise pâmbî ko-Yehova emnyango wentente yokuhlangana;

8 Enze amaqashiso u-Aron pêzu kwenkunzi ze-bôkwe zombîni: elinye iqashiso libe lelika-Yehova, elinye iqashiso libe lelika-Azazele;

9 Ayisondeze u-Aron inkunzi ye-bôkwe elipûme nayo iqashiso lika-Yehova, ayenze idini lesono;

10 Ke yona inkunzi ye-bôkwe elipûme nayo iqashiso lika-Azazele, ayimise iplilile pâmbî ko-Yehova, ayicamagushele, ayitûmele ku-Azazele entlango.

11 Ayisondeze u-Aron inkunzi entsha yenkomo yedini lesono elilakê, azicamagushele okwakê nokwendlu yakê, ayixêle inkunzi entsha yenkomo yedini lesono elilakê;

12 Atâbatê ugcodevu luzele ngamalahle omhlo esibingelelweni, esisebusweni buka-Yehova, azalise izandla zake ngesiqûmiso esimnandi esicolekileyo, asingenise ngapâya komahlulo;

13 Asibeke isiqûmiso pêzu komlilo pâmbî ko-Yehova, ukuze ilifu lesiqûmiso lisisibekele isihlalo sokucamagusha esipêzu kwesingqîno, ukuze angafi;

14 Acapûle egazini lenkunzi entsha yenkomo, alifefe ngomnwe wakê esihlalweni sokucamagusha ngasempumalanga, nangapâmbîli kwesihlalo sokucamagusha, afefe ngenxalenye yegazi izihlandlo ezisixênxe ngomnwe wakê;

15 Ayixêle inkunzi ye-bôkwe yedini lesono eyeyabantu, alise igazi layo ngapâya komahlulo, alenze igazi layo njengoko walenzayo igazi lenkunzi entsha yenkomo, alifefe esihlalweni sokucamagusha nangapâmbîli kwesihlalo sokucamagusha;

16 Ayicamagushele ingcwele ngenxa yobunqambî bonyana baka-Sirayeli, nangenxa yezirêqo zabo ngokubêkisele ezonweni zabo zonke; enje njalo kwin-tente yokuhlangana ehleliyo nabo pâkatî kobunqambî babo.

17 Makungabikô mntu en-tenteni yokuhlangana, ekungeneni kwakê ukuya kucamagusha engcweleni, kude kube sekupûmeni kwakê, azicamagushele okwakê nokwendlu yakê nokwesikûngu sonke sama-Sirayeli;

18 Apûme aye esibingelelweni esipâmbî ko-Yehova, asicamagushele, acapûle egazini lenkunzi entsha yenkomo, nasegazini lenkunzi ye-bôkwe, alidyobe ajikelezise ezimpondweni zesibingelelo;

19 Asifefe ngenxalenye yegazi ngomnwe wakê izihlandlo ezisixênxe, asihlambûlule, asingcwalise ebunqambîni bonyana baka-Sirayeli;

20 Agqibe ukuyicamagushela ingcwele, nen-tente yokuhlangana, nesibingelelo; ayisondeze inkunzi ye-bôkwe epilileyo.

21 Acinezele u-Aron ngezandla zakê zozibini entloko yenkunzi ye-bôkwe epilileyo, abuvume pêzu kwayo bonke ubugwenxa bonyana baka-Sirayeli, nezirêqo zabo zonke ngokubêkisele ezonweni zabo zonke, aziboke-ke pêzu kwentloko yenkunzi leyo ye-bôkwe, ayitûmele entlango ngendoda ezilungisele oko;

22 Inkunzi leyo ye-bôkwe ibutwale-ke pêzu kwayo bonke ubugwenxa babo, iye ezweni eliqiwukileyo, ayikûlule inkunzi yebôkwe-leyo entlango apô;

23 U-Aron angene en-tenteni yokuhlangana, azihlube ingubo ze-linen emhlopê, abezambêtê ukungena kwakê engcwelemi, azishiye kôna;

24 Awuhlambê umzimba wakê ngamanzi endawenî engcwele, anxibe ingubo zakê, apûme, enze idini lakê elinyukayo, nedini elinyukayo labantu, azicamagushele okwakê nokwabantu;

Digitized by Google

25 Aqûmisele ngenqatâ ledini lesono esibingelelweni.
26 Lowa wayikûlulela ku-Azazele inkunzi ye-bôkwe, wozihlambâ ingubo zakê, awuhlambê umzimbâ wakê emanzini, emveni koko angene eminqubeni.
27 Ke yona inkunzi entsha yenkomo yedini lesono, nenkunzi ye-bôkwe yedini lesono, ezigazi langeniswa ukuba licamagushe engcweleni, zokûtshelwa ngapândle kweminquba, zitshiswe ngomlilo izikûmbâ zazo, nenyama yazo, nomswane wazo.
28 Lowo uzitshisayo wozihlambâ ingubo zakê, awuhlambê umzimbâ wakê emanzini, emveni koko angene eminqubeni.

29 Koba ngummiselo ongunapâkade kuni, ukutî: Ngenyanga yesixênxe, ngolweshumi enyangeni-leyo, niyitôbe imipêfumlo yenu, ningenzi namnye umsebenzi, nokuba ngozalelwe ekâya, nokuba ngumpâmbûkeli opâmbûkele kuni;
30 Kuba ngalomhla uya kunicamagushela, ukuba anihlambûlule, nihlambûluke ezonweni zenu zonke pâmbî ko-Yehova.
31 Yi-sabatâ ka-sabatâ kuni; noyitôba imipêfumlo yenu: ngummiselo-ke ongunapâkade.
32 Wocamagusha-ke umenzeleleli lowo uya kutânjiswa, azaliswe isandla ukuba abe ngumenzeleleli esikûndleni soyise, azinxibe ingubo ze-linen emhlopê, ingubo ezingcwele;
33 Ayicamagushele ingcwele kangcwele, nen-tente yokuhlangana, asicamagushele isibingelelo, abacamagushele abenzeleleli, nabantu bonke besikûngu.
34 Lowo woba ngummiselo ongunapâkade kuni wokubacamagushela onyana baka-Sirayeli ngenxa yezono zabo zonke, kube kanye ngonyaka. Wenza-ke njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ ku-Aron nakonyana bakê, nakonyana bonke baka-Sirayeli, utî kubo, Lilo eli ilizwi u-Yehova awise umtêtô ngalo, lokutî,
3 Umntu ngomntu wendlu ka-Sirayeli osukuba exêla inkomo, nemvu, ne-bôkwe eminqubeni, nosukuba eyixêlela ngapândle kweminquba,
4 Angayizisi emnyango wen-tente yokuhlangana, ukuba isondezwe ibe ngumsondezo ku-Yehova pâmbî komnquba ka-Yehova: igazi lobalelwa kulomntu; upâlaze igazi; wonqanyulwa lomntu angabikô pâkatî kwabantu bakowabo;
5 Ukuze onyana baka-Sirayeli bayizise imibingelelo yabo abayibingelelayo ezindle, bayizise ku-Yehova emnyango wen-tente yokuhlangana kumenzeleleli, bayibingelele ibe yimibingelelo yoxolo ku-Yehova;
6 Umenzeleleli alitshize igazi layo esibingelelweni sika-Yehova, emnyango wentente yokuhlangana, aqûmisele ngenqatâ, libe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova;
7 Bangabi sayibingelela imibingelelo yabo kwizitîxo-ezimaxônti, abahenyuza ngokuzilandela. Lowo woba ngummiselo ongunapâkade kubo ezizukulwaneni zabo.

8 Wotî kubo, Umntu ngomntu wendlu ka-Sirayeli, nowakubapâmbûkeli abapâmbûkele pâkatî kwenu, osukuba enyusa idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo,
9 Angalizisi emnyango wen-tente yokuhlangana, ukuba alinikele ku-Yehova: wonqanyulwa lomntu angabikô pâkatî kwabantu bakowabo.

10 Umntu ngomntu wendlu ka-Sirayeli, nowakubapâmbûkeli abapâmbûkele pâkatî kwenu, osukuba esidla yonke into eligazi: ndowucâsa umpêfumlo odle igazi, ndiwunqamle ungabikô pâkatî kwabantu bakowawo.
11 Kuba umpêfumlo wenyama usegazini wona; mna ndaninika lona esibingelelweni, ukuba kucanyagushelwe imipêfumlo yenu; kuba igazi-eli licamagusha ngompêfumlo.
12 Ngenxa yoko nditê konyana baka-Sirayeli, Makungabikô namnye umpêfumlo kuni odla igazi; nompâmbûkeli opâmbûkele pâkatî kwenu makangalidli igazi.

13 Umntu ngomntu konyana baka-Sirayeli, nompâmbûkeli opâmbûkele pâkatî kwenu, osukuba ezingela inyamakazi, nokuba yintaka edliwayo, wolipâlaza igazi layo, aliselele ngomhlaba.
14 Kuba umpêfumlo wenyama yonke: igazi layo eli ngumpêfumlo wayo. Ndatî-ke konyana baka-Sirayeli, Ize ningadli gazi lanyama nokuba yiyipî; ngokuba u-

Digitized by Google

mpêfumlo wenyama yonke ligazi layo; bonke abalidlayo bonqanyulwa.

15 Wonke ubani osukuba esidla into ezifeleyo neqwengiweyo, engozalelwe ekâya nompâmbûkeli, wozihlambâ ingubo zakê, ahlambê emanzini, abe yinqambî ahlwise, wohlambûluka-ke.

16 Ukuba akatânga azihlambê, akawuhlambâ umzimbâ wake, wobutŷala ubugwenxa bakê.

18 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

3 Ize ningenzi ngokokwenza kwelizwe lase-Yiputa ebenihleli kulo; ize ningenzi ngokokwenza kwelizwe lakwa-Kanan endinisa kulo, ningahambî ngokwemimiselo yabo.

4 Zenenze amasiko am, nigcine imimiselo yam, nihambê ngayo: ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

5 Nogcina imimiselo yam, namasiko am, awotî umntu ozenzayo ezonto apîle ngazo: ndingu-Yehova.

6 Umntu ngomntu az' angasondeli nakwinye inyama yenyama yakê, ukuba atŷile ubuzé *bayo;* ndingu-Yehova.

7 Ubuzé bukayihlo, ubuzé bonyoko uz'ungabutŷili: ngunyoko lowo; uz'ungabutŷili ubuzé bakê.

8 Ubuzé bomkayihlo uz'ungabutŷili: bubuzé bukayihlo obo.

9 Ubuzé bodade wenu, intombî kayihlo, nokuba yintombî kanyoko, izalelwe ekâya, nokuba izalelwe emzini, uz'ungabutŷili ubuzé bayo.

10 Ubuzé bentombî yonyana wakô, nobentombî yentombî yakô, uz'ungabutŷili ubuzé bayo; ngokuba ibubuzé bakô.

11 Ubuzé bentombî yomkayihlo ezalwa nguyihlo, ingudade wenu, uz'ungabutŷili ubuzé bayo.

12 Ubuzé bodade boyihlo uz'ungabutŷili: yinyama yoyihlo leyo.

13 Ubuzé bonyokokazi uz'ungabutŷili: kuba yinyama yonyoko leyo.

14 Ubuzé boyihlokazi uz'ungabutŷili, ungasondeli kumkakê: ngunyokokazi lowo.

15 Ubuzé bomolokazana wakô uz'ungabutŷili: ngumkanyana wakô lowo; uz'ungabutŷili ubuzé bakê.

16 Ubuzé bomfazi womntakayihlo uz'ungabutŷili: bubuzé bomntakayihlo obo.

17 Ubuzé bomfazi nentombî yakê uz'ungabutŷili; intombî yonyana wakê, nentombî yentombî yakê uz'ungayizeki, ukuba ubutŷile ubuzé bayo: yinyama yakê leyo; ngamanyala lawo.

18 Umfazi uz'ungamzekeli pêzu kodade wabo, ukuba ubandezele, ukuba ubutŷile ubuzé bakê, pezu kwakê ekudleni kwakê ubomi.

19 Uz'ungasondeli emfazini, esekuncôleni kobunqambî bakê, ukuba ubutŷile ubuzé bakê.

20 Uz'ungamlali umfazi wommelwane wakô, ukuba uzenze inqambî ngaye.

21 Embewini yakô uz'unganikeli namnye, ukuba acandiselwe u-Moleki; ungalihlambêli igama lo-Tîxo wakô; ndingu-Yehova.

22 Uz'ungayilali into eyindoda njengokuba kulalwa umfazi: ngamasikizi lawo.

23 Uz'ungalali nanye into ezitô zine, ukuba uzenze inqambî ngayo; inkazana mayingazimisi pâmbî kwento ezitô zine, ukuze izekwe yiyo: kuzincôlisa oko.

24 Musan' ukuzenza inqambî ngezonto zonke; kuba zenziwa inqambî ngezonto zonke intlanga endizigxotâyo ebusweni benu.

25 Lenziwe inqambî nelizwe elo; ndiyabuvelela ubugwenxa babo pêzu kwabo, nelizwe liyabahlanza abemi balo.

26 Ize niyigcine imimiselo yam, namasiko am nina, ningenzi nalinye kulomasikizi, kwa ozalelwe ekâya nompâmbûkeli opâmbûkele pâkatî kwenu;

27 Kuba onke lomasikizi bawenzile abantu belozwe abapâmbî kwenu, lenziwa inqambî ilizwe;

28 Ukuze linganihlanzi ilizwe ngokulenza kwenu inqambî, njengoko liluhlanzileyo uhlanga olupâmbî kwenu.

29 Ngokuba bonke abasukuba besenza nalinye kulomasikizi, imipêfumlo elenzayo yonqanyulwa ingabikô pakatî kwabantu bakowayo.

30 Ngoko-ke ize-nisigcine isigxina sam. ningenzi namnye ummiselo olisikizi owenziwa pâmbî kwenu, ningazenzi inqambî ngawo; ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

19 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ kwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli, utî kubo, Yibani ngcwele;

Digitized by Google

kuba ndiyingcwele mna Yehova Tixo wenu.

3 Yoyikani elowo unina noyise; nizigcine i-sabatâ zam: ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

4 Musan' ukubéka kwinto ezinge-ni; ningazenzeli izitixo ezityidiweyo: ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

5 Xa nibingelela ku-Yehova umbingelelo woxolo, nobingelela ukuze unikôlekise.

6 Wodliwa ngomhla wokubingelela kwenu nangengomso; okuseleyo kwada kwangumhla wesitâtû kotshiswa ngomlilo.

7 Ukuba kutê kwadliwa nokudliwa ngomhla wesitâtû, kuyimbôzisa, akuyi kukôlekisa.

8 Ke-okudlayo wobutwâla ubugwenxa bakê; ngokuba eyihlambêle ingcwele ka-Yehova; lompêfumlo wonqanyulwa ungabikô ebantwini bakowawo.

9 Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu, uz'ungawavuni ugqibelele amacala e*ntsimi* yakô, ungabîkici lubîkico lokuvuna kwakô.

10 Uz'ungasicôli isi-diliya sakô; nento evutûlukileyo yom-diliya wakô uz'ungayibikici; woyishiyela olusizana nompâmbûkeli; ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

11 Ize ningèbi; ize ningakânyeli into niyazi; ize ningaxokisani.

12 Ize ningalifungi igama lam nixoka; ungalihlambêli igama lo-Tixo wakô; ndingu-Yehova.

13 Uz'ungamcudisi uwenu, uz'ungaxâkamfuli; umvuzo womqeshwa uz'ungalali kuwe kude kuse.

14 Uz'ungasitshabîsi isitûlu; uz'ungabeki isikûbekiso pâmbî kwemfama; uz'umoyike u-Tixo wakô; ndingu-Yehova.

15 Zeningenzi bugqwetâ ekugwebeni; unganoneleli nomntu osweleyo, ungabeki buso basikûlu; womgweba ngobulungisa ummelwane wakô.

16 Uz'ungahambî uyintlebi pâkatî kwabantu bakowenu; uz'ungalizondi igazi lowenu; ndingu-Yehova.

17 Uz'ungamtîyi umzalwana wakô entliziyweni yakô; kanye womohlwaya ummelwane wakô, ungazitwâlisi sono ngenxa yakê.

18 Uz'ungapîndezeli; uz'ungabi nanqala konyana babantu bakowenu; uz'umtânde uwenu ngoko uzitânda ngako; ndingu-Yehova.

19 Ize niyigcine imimiselo yam: Inkomo zakô uz'ungazizekisi kwintlobo ezimbîni; uz'ungayihlwayeli intsimi yakô intlobo ezimbini zembêwu; nengubo yentlobo ezimbîni engumxube iz'ingezi pézu kwakô.

20 Xa indoda itê yayilala inkazana, ilikôbokazana eliganelwe indoda, lingakûlulwanga ngokuhlaulelwa, lingapîwanga nenkululeko; bobetwâ; bangabulawa, ngokuba belingakûlulekile.

21 Yolizisa idini letyala layo ku-Yehova emnyango wen-tente yokuhlangana, inkunzi yemvu ibe lidini letyala;

22 Ayicamagushele umenzeleleli ngenkunzi-leyo yemvu yedini letyala pâmbî ko-Yehova ngenxa yesono sayo, eyône ngaso; yosixolelwa-ke isono sayo, eyône ngaso.

23 Xa nifikileyo ezweni-elo, natyala yonke imitî edliwayo, notî iziqâmo zayo zikungaluki kwayo, zoba nokungaluki kuni iminyaka emitâtû, ize zingadliwa;

24 Ngowesine umnyaka zonke iziqâmo zayo zoba ngumnikelo ongcwele wendumiso ku-Yehova;

25 Ngomnyaka wesihlanu nozidla iziqâmo zayo, ukuze zinongezele ungeniselo lwayo; ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

26 Ize·ningadli nto inegazi; ize ningahlabi sihlabo, ize ningabi ngamatola.

27 Zeningazicêbi nizizunguleze intlontlo zentloko yenu; ungalôni udini lwendevu zakô.

28 Ize ningazicenti inyama yenu ngenxa yomfi, ningenzi mbâlo wamvambô kuni; ndingu-Yehova.

29 Mus' ukuyihlambêla intombî yakô, uyenze ihenyu, ukuze ilizwe lingahenyuzi, lingazali ilizwe ngamanyala.

30 Gcinani i-sabatâ zam, niyoyike ingcwele yam; ndingu-Yehova.

31 Musan' ukubêka kwabanemishologu; musan' ukubafuna osiyazi, ukuze nenziwe inqambî ngabo; ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

32 Suk' ume ebusweni bengwevu, ububeke ubuso bexégo, umoyike u-Tixo wakô; ndingu-Yehova.

33 Xa umpâmbûkeli apâmbûkela kuni ezweni lenu, ize ningamnyanzeleli pântsi.

34 Kuni woba njengozalelwe pâkatî kwenu ekâya umpâmbûkeli opâmbûkele kuni; uz'umtânde ngoko uzitânda ngako; ngokuba beningabapâmbûkeli ezweni lase-Yiputa; ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

Digitized by Google

35 Ize ningenzi bugqwetâ ekugwebeni nasekulinganiseni ubude, nobunzima, nokuzala kwento.

36 Noba nezi-kali zobulungisa, namatye obulungisa, ne-efa yobulungisa, ne-hin yobulungisa; ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, onikûpîleyo ezweni lase-Yiputa.

37 Ize niyigcine imimiselo yam yonke, namasiko am onke, niwenze: ndingu-Yehova.

20 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Yitî konyana baka-Sirayeli, Umntu ngomntu konyana baka-Sirayeli nakubapâmbûkeli abapâmbûkele kwa-Sirayeli, oté wayinika u-Moleki imbéwu yakê, wobulawa afe; abantu belizwe-eli ize bamxulube ngamatye.

3 Ke mna ndiya kumcâsa lomntu, ndimnqamle angabikô pâkatî kwabantu bakowabo; ngokuba uyinike u-Moleki imbéwu yakê, ukuze ayenze inqambî ingcwele yam, alihlambêle igama lam elingcwele.

4 Ukuba abantu belizwe elo batê bawafihla ukuwatihla oku amehlo abo kulomntu ekuyinikeni kwakê u-Moleki imbéwu yakê, abambulala:

5 Mna ndomcâsa lomntu nemizalwane yakê, ndimnqamle nabo bonke abahenyuza ngokumlandela, behenyuzela ukumlandela u-Moleki, bangabikô pâkatî kwabantu bakowabo.

6 Lompéfumlo utê wabéka kwaba nemishologu nakosiyazi, uhenyuza ngokubalandela: ndowucâsa lompéfumlo, ndiwunqamle ungabikô pâkatî kwabantu bakowawo.

7 Ize nizingcwalise nibe ngcwele; ngokuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

8 Ize niyigcine imimiselo yam niyenze; ndingu-Yehova oningcwalisayo.

9 Umntu ngomntu, xa atê watshabîsa uyise nonina, wobulawa afe; utshabîse uyise nonina, amagazi akê makabe pézu kwakê.

10 Indoda esukuba ifexeza umkamntu, ifexeze umfazi wowayo, wobulawa afe umfexezi lowo kwa nomfexezikazi.

11 Indoda esukuba imlala umkayise, itŷile ubuzé bukayise, mababulawe bafe bobabini, amagazi abo makabe pézu kwabô.

12 Indoda esukuba imlala umolokazana wayo, mababulawe bafe bobabini: bazincôlisile; amagazi abo makabe pézu kwabo.

13 Indoda esukuba iyilala indoda njengokuba kulalwa umfazi, abo benze amasikizi: mababulawe bafe bobabini; amagazi abo makabe pézu kwabo.

14 Indoda esukuba izeka inkazana nonina: ngamanyala lawo; mabatshiswe ngomlilo, kwa yona nabo, kungabikô manyala pâkatî kwenu.

15 Indoda esukuba ilala into ezitô zine, mayibulawe ife; nalonto izitô zine niyibulale.

16 Inkazana esukuba isondela entweni ezitô zine nokuba yiyipîna, ukuba izekwe yiyo, mayibulawe inkazana-leyo; nalonto izitô zine mayibulawe ife; amagazi azo makabe pézu kwazo.

17 Indoda esukuba izeka udade wayo, intombî kayise, nokuba yintombî kanina, yabubona ubuzé bakê, wabubona yena ubuzé bayo, benzê ubugqwifa; bonqanyulwa emehlweni onyana babantu bakowabo; itŷilê ubuzé bodade wayo yobutŵala ubugwenxa bayo.

18 Indoda esukuba imlala umfazi enomzi, yabutŷila ubuzé bakê, yalenza lazé itênde lakê, naye walitŷila itênde lamagazi akê: bonqanyulwa bobabini bangabikô pâkatî kwabantu bakowabo.

19 Ubuzé bonyokokazi nobodade boyihlo uz'ungabutŷili; ngokuba uyenza ibe zé inyama yakê: bobutŵala ubugwenxa babo.

20 Indoda esukuba imlala umkayisekazi, yabutŷila ubuzé boyisekazi: bositŵala isono sabo, bafe benge namntwana.

21 Indoda esukuba izeka umfazi womntakayise, yinto encôlileyo leyo: itŷile ubuzé bomntakayise, abayi kuba namntwana.

22 Ize niyigcine imimiselo yam yonke, namasiko am onke, niwenze, ukuze linganihlanzi ilizwe-elo ndinisa kulo ukuba nihlale kulo.

23 Ize ningahambî emimiselweni yohlanga olo ndilugxotâyo ebusweni benu; ngokuba bazenzile zonke ezonto; ndafuquka ngabo.

24 Ndatî-ke kuni, Nina niya kulidla ilifa ilizwe labo, ndininikile mna ukuba libe lilifa kuni ilizwe elinamasi nobusi; ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, onahluleyo kwezinye izizwe.

Digitized by Google

25 Ize niyahlule into ezitô zine ehlambûlukileyo kweyinqambî, nentaka eyinqambî kwehlambûlukileyo, ningayenzi iniipêfumlo yenu ibe nezotê ngento ezitô zine, nangentaka, nangento yonke enambuzelayo emhlabeni, endinahluleyo nayo kuba iyinqambî.

26 Ize nibe ngcwele kum: ngokuba ndiyingcwele, mna Yehova; ndanahlula *kwezinye izizwe*, ukuba nibe ngabam.

27 Indoda nenkazana xa batê baneshologu, bangosiyazi, mababulawe bafe; boxulutywa ngamatye; amagazi abo abe pêzu kwabo.

21 Watî u-Yehova ku-Moses, Yitsho kubenzeleleli, onyana baka-Aron, ukuti, Zekungabikô uzenza inqambî ngenxa yomfi pâkatî kwabantu bakowabo;

2 Kungaba ngenxa yenyama yake ekufupî kuye yodwa: unina, noyise, nonyana wakê, nentombî yakê, nomzalwana wakê;

3 Nodade wabo oseyintombî, leyo ikufupi kuye, inge nandoda, angazenza inqambî ngenxa yayo.

4 Engumnini-mzi-nje makangazenzi inqambî pâkatî kwabantu bakowabo, ukuba azihlambêle.

5 Ize bangenzi mpandla entloko yabo, bangaliguyi icala lendevu zabo, bangayicenti inyama yabo.

6 Mababe ngcwele ku-Tîxo wabo, bangalihlambêli igama lo-Tîxo wabo; kuba besondeza ukudla kwasemlilweni kuka-Yehova, ukudla ko-Tîxo wabo; mababe ngcwele.

7 Makangazeki mfazi ulihenyukazi, nohlanjelweyo; angazeki mfazi waliweyo yindod' akê; ngokuba ungcwele ku-Tîxo wakê.

8 Uz'umngcwalise-ke; kuba esondeza ukudla ko-Tîxo wakô; woba ngcwele kuwe; ngokuba ndingcwele mna Yehova uningcwalisayo.

9 Intombî yendoda engumenzeleleli, xa itê yazihlambêla ngokuhenyuza, ihlambêla uyise: yotshiswa ngomlilo.

10 Umenzeleleli omkûlu pâkatî kwabazalwana bakê, obegalelwe i-oli yokutâmbîsa entloko, osandla sizalisiweyo ukuze azambâtê izambâtô, makangaziyeki ziyakazele inwele zakê, angazirazuli ingubo zakê;

11 Angayi nakumntu ofileyo, angazenzi inqambî nangenxa yoyise nangenxa yonina;

12 Angapûmi engcweleni, angayihlambêli ingcwele yo-Tîxo wakê, ngokuba ukwahlula kwe-oli yokutâmbîsa yo-Tîxo wakê kupêzu kwakê; ndingu-Yehova.

13 Makazeke umfazi osebuntombîni bakê.

14 Umhlolokazi, nowaliweyo, nohlanjelweyo olihenyukazi, abo makangabazeki; wozeka intombî yodwa yasebantwini bakowabo, ibe ngumfazi;

15 Angayihlambêli imbêwu yakê pâkatî kwabantu bakowabo; ngokuba ndingu-Yehova omngcwalisayo.

16 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

17 Têtâ ku-Aron, utî, Indoda pâkatî kwembêwu yakô ezizukulwaneni zabo, esukuba inesipâko, mayingasondeli isondeze ukudla ko-Tîxo wayo.

18 Zekungasondeli nanye indoda, xa sukuba inesipâko; indoda eyimfama, nesiqwâla, nelinyaziweyo ebusweni, nesilima,

19 Nendoda eyapûke unyawo, neyapûke isandla;

20 Nenofundo, nengcungcutêkileyo, nenomlanga, nenokwêkwê, nenesitshanguba, netyumke isende.

21 Zekungasondeli nanye indoda enesipâko yembêwu ka-Aron umenzeleleli, isondeze ukudla kwasemlilweni kuka-Yehova; inesipâko mayingasondeli isondeze ukudla ko-Tîxo wayo.

22 Ingakudla ukudla ko-Tîxo wayo kwezinto ezizingcwele kangcwele, kwa nezingcwele.

23 Kodwa mayingezi emahlulweni, ingasondeli nasesibingelelweni, ngokuba inesipâko; ukuze ingayihlambêli ingcwele yam; ngokuba ndingu-Yehova obangcwalisayo.

24 Wakutêtâ-ke oko u-Moses ku-Aron nonyana bakê, nonyana bonke baka-Sirayeli.

22 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

2 Têtâ ku-Aron nakonyana bakê, bazahlule ezintweni ezingcwele zonyana baka-Sirayeli, bangalihlambêli igama lam elingcwele ezintweni abazingcwalisayo kum: ndingu-Yehova.

3 Yitî kubo, Ezizukulwaneni zenu bonke abantu abangabembêwu yenu, abasukuba besondela ezintweni ezingcwele, aba-

Digitized by Google

zingcwalisayo onyana baka-Sirayeli ku-Yehova, benobunqambî babo, lomipêfumlo yonqanyulwa ingabikô ebusweni bam: ndingu-Yehova.

4 Umntu ngomntu ongowembêwu ka-Aron, oneqênqa nobôbôzayo, makangazidli izinto ezingcwele, ade ahlambûluke; nalowo umcûkumisayo wonke ubani oyinqambî ngofileyo, nendoda esukuba incolá.

5 Nomntu osukuba ecûkumisa yonke into enyakazelayo, eyinqambî kuye, nokuba ngumntu oyinqambî kuye ebunqambîni bakê bonke;

6 Umpêfumlo osukuba uyicûkumisa into enjalo, woba yinqambî ahlwise, lowo makangadli ezintweni ezingcwele; ke makawuhlambê umzimbâ wakê emanzini;

7 Lakutshona ilanga, wotî ehlambûlukile, adle emveni koko ezintweni ezingcwele; ngokuba kukudla kwakê.

8 Into ezifeleyo neqwengiweyo makangayidli, azenze inqambî ngayo: ndingu-Yehova.

9 Ize basigcine isigxina sam, bangazitwâlisi isono bafe ngaso, ngokuba bezihlambêle zona: ndingu-Yehova obangcwalisayo.

10 Wonke onge ngowakuni aze angadli nto ingcwele; olundwendwe lomenzeleleli nomqeshwa aze angadli nto ingcwele.

11 Umenzeleleli xa atê watênga umntu, wayintengo yemali yakê, makadle kuyo lowo, kwanozalelwe endlwini yakê; abo bodla ukudla kwakê.

12 Intombî yomenzeleleli, xa itê yendela kwindoda enge yeyakuni, yona mayingadli emfumeni wento ezingcwele.

13 Intombî yomenzeleleli, xa itê yangumhlolokazi, nokuba itê yaliwa, ingazalanga, yabuyela endlwini kayise, yokudla ukudla kukayise njengasebutsheni bayo; wonke onge ngowakuni makangadli kuko.

14 Umntu otê wayidla into engcwele ngokulahleka, makongeze isihlanu sayo kuyo, ayinike umenzeleleli into engcwele.

15 Ize bangazihlambêli izinto ezingcwele zonyana baka-Sirayeli ezo bazifumela u-Yehova,

16 Babatwâlise ubugwenxa betyala ekudleni kwabo into zabo ezingcwele: ngokuba ndingu-Yehova obangcwalisayo.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

18 Têtâ ku-Aron nakonyana bakê, nakonyana bonke baka-Sirayeli, utî kubo, Umntu ngomntu wendlu ka-Sirayeli nowakubapâmbûkeli abakwa-Sirayeli, osukuba esondeza umsondezo wakê ngokubekisele kwizibâmbâtiso zabo zonke, nangokubêkisele kwimibingelelo yabo yonke yokuqûtywa yintliziyo, asukuba ewusondeza ku-Yehova, ukuba ube lidini elinyukayo:

19 Wotî, ukuze unikolekise, ube liduna eligqibeleleyo lasezinkomeni, nokuba lelaseziguslieni, nelasezi-bôkweni.

20 Into zonke ezinesipâko, ize ningazisondezi, ngokuba azisokunikôlekisa.

21 Umntu, xa atê wasondeza umbingelelo woxolo ku-Yehova, ukuba ube ngowesibâmbâtiso esibalulekileyo, nokuba ube ngowokuqûtywa yintliziyo, ozinkomo noyimpahl' emfutshane: uz'ube ngogqibeleleyo ukuze ukôleke, uz'ungabi nasipâko nasipî.

22 Izizimfama, ezapûkileyo, ezilinyazweyo, ezinokwêkwê, ezinesitshanguba, ize ningazisondezi ezo ku-Yehova, ninganikeli ngazo ukudla kwasemlilweni esibingelelweni ku-Yehova.

23 Inkomo negusha enendawo eyolukileyo neshwabeneyo ungayenza umbingelelo wokuqûtywa yintliziyo; ke ayiyi kukôlekisa ukuba ingowesibâmbâtiso.

24 Into emasende atyunyuziweyo, nakândiweyo, naqiwulweyo, nanqunyulweyo, ize ningayisondezi ku-Yehova. Ezweni lenu zeningenje njalo.

25 Nasesandleni sowolunye uhlanga ize ningamkeli nisondeze ukudla ko-Tixo wenu kwezonto nakuzipî; ngokuba ukonakala kwazo kukuzo, isipâko sikuzo; aziyi kunikôlekisa.

26 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

27 Inkomo, negusha, ne-bôkwe, xa izalwayo, yoba mihla isixênxe pântsi konina; kutâbatêla kusuku lwesibôzo nangasemva kwalo, iya kukôlekisa, ibe ngumsondezo wasemlilweni ku-Yehova.

28 Inkomo, nokuba yigusha, ize ningayixêli ngamini nye netakane layo.

29 Xa nitê nawubingelela umbingelelo wombulelo ku-Yehova, nowubingelela ukuba unikôlekise.

30 Wodliwa kwa ngalomhla, ningashiyi nto kuwo kude kuse: ndingu-Yehova.

Digitized by Google

31 Ize niyigcine imitêtô yam, niyenze: ndingu-Yehova.
32 Ize ningalihlambêli igama lam elingcwele; ndongcwaliswa pâkatî konyana baka-Sirayeli: ndingu-Yehova oningcwalisayo,
33 Onikûpîleyo ezweni lase-Yiputa, ukuze ndibe ngu-Tîxo wenu: ndingu-Yehova.

23 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Amaxesha amisiweyo ka-Yehova, eniya kuwavakalisa ukuba abe zintlanganiso ezingcwele, ngawo la amaxesha am amisiweyo.
3 Wosebenza imihla emitândatû, ke umhla wesixênxe uyi-sabatâ ka-sabatâ: yintlanganiso engcwele. Zeningenzi namnye umsebenzi ngawo: yi-sabatâ ka-Yehova emakâya enu onke.

4 Ngawo la amaxesha amisiweyo ka-Yehova, intlanganiso ezingcwele, eniya kuzivakalisa ngamaxesha azo amisiweyo.
5 Ngenyanga yokuqala, ngolweshumi elinesine enyangeni-leyo, lakutshona ilanga, yi-pasika ka-Yehova.
6 Ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni-leyo ngumtêndeleko wezonka ezinge nagwele ka-Yehova; intsuku ezisixênxe nodla izonka ezinge nagwele.
7 Ngosuku lokuqala noba nentlanganiso engcwele; ize ningenzi msebenzi wakukônza.
8 Nosondeza ukudla kwasemlilweni ku-Yehova intsuku ezisixênxe; ngosuku lwesixênxe yintlanganiso engcwele; ize ningenzi msebenzi wakukônza.

9 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,
10 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo; Xa nitê nafika kulo ilizwe endininika lona, navuna isivuno salo, nozisa kumenzeleleli isinde lokuqala lesivuno senu,
11 Alitshangatshangise isinde pâmbî ko-Yehova; ukuze linikôlekise, alitshangatshangise umenzeleleli ngengomso emva kwe-sabatâ;
12 Ninikele ngomhla wokulitshangatshangisa kwenu isinde imvana egqibeleleyo emnyaka-mnye, ibe lidini elinyukayo ku-Yehova,
13 Nomnikelo walo wokudla ube zizahlulo ezibini zesishumi ze-efa zomgubo onengiweyo ogalelwe i-oli: kukudla kwasemlilweni ku-Yehova, livumbâ elitôzamisayo; nomnikelo walo otûlulwayo wewayini ube sisahlulo sesine se-hin.
14 Ize ningadli sonka nakwêba nanqôlowa intsha, ide ibe yinqu yayo lomini, nizisa umsondezo ka-Tîxo wenu: ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu, emakâya enu onke.

15 Ize nizibalele i-sabatâ ezisixênxe ezigqibeleleyo, nitâbatêla kwingomso emva kwe-sabatâ, ngomhla wokuzisa kwenu isinde lokutshangatshangisa.
16 Kude kube lingomso emva kwe-sabatâ yesixênxe; nobala imihla emashumi mahlanu; nisondeze umnikelo wokudla omtsha ku-Yehova.
17 Emakâya enu ize nifole nizise izonka zokutshangatshangisa, zibe zibini zezahlulo ezibini zesishumi zomgubo onengiweyo, zosiwe zinegwele, zibe zintlahlela ku-Yehova;
18 Ndawonye nezonka ezo nisondeze imvana ezigqibeleleyo ezisixênxe ezimnyaka-mnye, nenkunzi entsha, itôle lenkomo, ibe nye, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, zibe lidini elinyukayo ku-Yehova, neminikelo yazo yokudla neminikelo yazo etûlulwayo: kukudla kwasemlilweni kwevumbâ elitôzamisayo ku-Yehova;
19 Ninikele inkunzi ye-bôkwe exônti ibenye ibe lidini lesono, nemvana ezimbîni ezimnyaka-mnye zibe ngumbingelelo woxolo,
20 Azitshangatshangise umenzeleleli ezonto ndawonye nezonka ezizintlahlela, zibe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, ndawonye nemvana ezimbîni; zibe ngcwele ku-Yehova ngenxa yomenzeleleli,
21 Nimeme ngenqu yayo lomini, ukuba kubekô intlanganiso engcwele kuni; ize ningenzi msebenzi wakukônza: ngummiselo ongunapâkade emakâya enu onke ezizukulwaneni zenu.

22 Ekuvuneni kwenu isivuno selizwe lenu uz'ungaligqibi icala lentsimi yakô ekuvuneni kwakô, ungalubîkici ubîkico lwesivuno sakô; woshiyela olusizana nompâmbûkeli: ndingu-Yehova u-Tîxo.

23 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
24 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Ngenyanga yesixênxe, ngolokuqala enyangeni

Digitized by Google

leyo, noba ne-sabatâ, isikûmbûzo sokumema ngesigodlo intlanganiso engewele;
25 Ize ningenzi namnye umsebenzi wakukônza; nosondeza ukudla kwasemlilweni ku-Yehova.

26 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
27 Kodwa ngolweshumi kulenyanga yesixênxe, ngomhla wokucamagusha, yoba yintlanganiso engewele kuni, niyitôbe imipêfumlo yenu; nisondeze ukudla kwasemlilweni kuka-Yehova.
28 Ize ningenzi namnye umsebenzi ngenqu yayo lomini; kuba ngumhla wokucamagusha wokunicamagushela pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu.
29 Kuba wonke umpêfumlo, osukuba ungazitôbi ngenqu yayo lomini, wonqanyulwa ungabikô ebantwini bakowawo.
30 Wonke umpêfumlo, osukuba usenza namnye umsebenzi ngenqu yayo lomini, ndowutshabalalisa lompêfumlo ungabikô pâkatî kwabantu bakowawo.
31 Ize ningenzi namnye umsebenzi: ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu, emakâya enu onke.
32 Yi-sabatâ ka-sabatâ kuni; noyitôba imipêfumlo yenu. Ngolwesitôba enyangeni leyo ngokuhlwa, kutâbatêle ekuhlweni kuse ekuhlweni, nopûmla nge-sabatâ yenu.
33 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
34 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Ngosuku lweshumi elinesihlanu kulenyanga yesixênxe ngumtêndeleko weminquba intsuku ezisixênxe ku-Yehova.
35 Ngosuku lokuqala yintlanganiso engewele; ize ningenzi msebenzi wakukônza.
36 Intsuku ezisixênxe nosondeza ukudla kwasemlilweni ku-Yehova; ngosuku lwesibôzo yoba yintlanganiso engewele kuni, nisondeze ukudla kwasemlilweni ku-Yehova. Yingqungqutêla; ize ningenzi msebenzi wakukônza.

37 Ngawo lawo amaxesha amisiweyo ka-Yehova, enowavakalisa abe zintlanganiso ezingewele, okusondeza ukudla kwasemlilweni ku-Yehova: idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, umbingelelo neminikelo etûlulwayo, into yemini ngangemini yayo;
38 Ngapândle kwe-sabatâ zika-Yehova, nangapândle kweminikelo yenu, nangapândle kwezibâmbâtîso zenu zonke, nangapândle kweminikelo yenu yonke yokuqûtywa yintliziyo enimnikayo u-Yehova.

39 Kodwa ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni yesixênxe, ekuhlanganiseni kwenu ungeniselo lwelizwe, ize nenze umtêndeleko ka-Yehova intsuku ezisixênxe; ngomhla wokuqala yi-sabatâ, nangomhla wesibôzo yi-sabatâ.
40 Nizitâbatêle ngomhla wokuqala amahlamvu emitî okuhombisa: amagqabi amasundu, namasebe emitî etê-shinyi, nemincûluba yasemlanjeni, nigcobe pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu intsuku ezisixênxe;
41 Lomtêndeleko niwenzele u-Yehova intsuku ezisixênxe ngonyaka. Ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu: niwenze umtêndeleko ngenyanga yesixênxe.
42 Nohlala eminqubeni intsuku ezisixênxe; bonke abazalelwe kwa-Sirayeli bohlala eminqubeni;
43 Ukuze zazi izizukulwana zenu, ukuba ndabahlalisa onyana baka-Sirayeli eminqubeni ekubakûpêni kwam ezweni lase-Yiputa: ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.
44 U-Moses wabaxelela onyana baka-Sirayeli amaxesha-lawo amisiweyo ka-Yehova.

24 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Bawisele umtêtô onyana baka-Sirayeli, batâbatê bazise kuwe i-oli eqaqambîleyo yeminquma enqûshiweyo yesikânyiso, ukuba kumiswe isibane samaxesha onke.
3 Nganeno komahlulo wesinqîno en-tenteni yokuhlangana wohlala eziewangcisa u-Aron *izibane* pâmbî ko-Yehova, kutabatela ngokuhlwa kuzise ekusêni: ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu;
4 Wohlala eziewangcisa izibane esipâtweni sezibane esicocekileyo pâmbî ko-Yehova.

5 Utâbatê umgubo onengiweyo, uwose ube yimiqâtâne elishumi elinamibini, umqâtâne omnye ube zizahlulo ezibini zesishumi;
6 Uyîrozise ngemîrozo emibini, ibe mitândatû mrozweni mnye, e-tafileni ecocekileyo epâmbî ko-Yehova;
7 Ubeke intlak'emhlopê eqaqambîleyo

Digitized by Google

pézu komrozo ngamnye ibe sikûmbûzo sesonka, ukudla kwasemlilweni ku-Yehova.
8 Wohlala eyicwangcisa pâmbî ko-Yehova ngemihla yonke ye-sabatâ, ivela konyana baka-Sirayeli: ngumnqopiso ongunapâkade;
9 Ibe yeka-Aron nonyana bakê, bayidle endaweni engcwele; kuba yingcwele kangcwele kuye, ivela ekudleni kwasemlilweni ko-Yehova: ngummiselo ongunapâkade.

10 Kekaloku kwapûma unyana wom-Sirayelikazi pâkatî konyana baka-Sirayeli, waye ngunyana wom-Yiputa; lonyana wom-Sirayelikazi nomfo wakwa-Sirayeli, bantlalana eminqubeni,
11 Unyana wom-Sirayelikazi-lowo walitûka Igama, watshabîsa; bamzisa ku-Moses, (igama lonina lalingu-Shelomiti intombî ka-Dibri, wesizwe sakwa-Dan;)
12 Bamfaka elugcinweni, bade babahlulele lonto ngokomlomo ka-Yehova.

13 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
14 Mkûpêni lowo utshabîsileyo abe ngapândle kweminquba; bonke abo bamvileyo bacinezele ngezandla zabo entloko yake. limxulube ngamatye lonke ibandla.
15 Uz'utêtê konyana baka-Sirayeli, utî, Umntu ngomntu, xa atê wamtshabîsa u-Tixo wakê wositwala isono sakê.
16 Olitûkayo igama lika-Yehova makabulawe afe; lonke ibandla lomxuluba okunene ngamatye, kwa nompâmbûkeli, kwa nozalelwe ekâya; ekulitûkeni kwakê igama makabulawe.
17 Umntu otê wabetâ umntu wafa nokuba nguwupî, makabulawe afe.
18 Obetê inkomo yafa, woyimisela; umpêfumlo ngompêfumlo.
19 Umntu, xa atê wamlimaza ummelwane wakê; njengoko enze ngako makwenziwe ngako kuye:
20 Ukwapûlwa ngokwapûlwa, iliso ngeliso, izinyo ngezinyo; njengoko amlimazileyo umntu, makwenziwe ngoko kuye.
21 Obetê inkomo yafa, woyimisela; ke obetê umntu wafa makabulawe.
22 Masibe sinye isigwebo senu kumpâmbûkeli nakozalelwe ekâya; ngokuba ndingu-Yehova u-Tixo wenu.
23 Watêtâ u-Moses konyana baka-Sirayeli; bamkûpêla pândle kweminquba lowo utshabîsileyo, bamxuluba ngamatye; benza onyana baka-Sirayeli njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

25 Watêtâ u-Yehova ku-Moses entabeni yase-Sinayi, esitî,
2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Xa nitê nafika kulo ilizwe endininika lona, ilizwe elo-ke lopûmla i-sabatâ ku-Yehova.
3 Woyihlwayela iminyaka emitândatû intsimi yakô, usitêne isi-diliya sakô iminyaka emitândatû, uhlanganise ungeniselo lwaso;
4 Ke umnyaka wesixênxe woba yi-sabatâ ye-sabatâ kulo ilizwe, i-sabatâ ku-Yehova. Uz'ungayihlwayeli intsimi yakô, ungasitêni isi-diliya sakô;
5 Ungawuvuni ummilela wokuvuna kwakô, ne-diliya zesi-diliya sakô esingatênwanga uz'ungazisiki; woba ngunyaka wesabatâ kulo ilizwe.
6 I-sabatâ yalo ilizwe yoba kukudla kuni, kuwe nakumkônzi wakô, nakumkônzazana wakô, nakumqeshwa wakô, nakolundwendwe kuwe, nakopâmbûkele kuwe,
7 Nakwinkomo zakô, nakwinyamakazi ezisezweni lakô; lonke ungeniselo lwalo loba kukudla.

8 Uz'uzibalele i-sabatâ ezisixênxe zeminyaka, iminyaka esixênxe ibe zihlandlo ezisixênxe, ize imihla ye-sabatâ ezisixênxe zeminyaka ibe yiminyaka emashumi mane aneminyaka esitôba kuwe;
9 Usihambîse isigodlo sokumema ngenyanga yesixênxe, ngolweshumi enyangeni-leyo; ngomhla wokucamagusha nosihambîsa isigodlo ezweni lenu lonke;
10 Unyaka niwungcwalise, unyaka wamashumi omahlanu, nivakalise inkululeko ezweni kubemi balo bonke. Woba ngowentlokoma kuni, ukuba nibuyele elowo elifeni lakê, nibuyele elowo emizalwaneni yakê.
11 Unyaka woba ngowentlokoma kuni, unyaka wamashumi omahlanu, ukuba ningahlwayeli, ningawuvuni ummilela, ningasisiki isi-diliya esingatênwanga.
12 Ngokuba lentlokoma yoba ngcwele kuni, noludla luvela entsimini ungeniselo lwayo.
13 Ngalonyaka wentlokoma nobuyela elowo elifeni lakê.
14 Xa nitê natêngisa ngento etêngisayo kummelwane wenu, naxa utê watênga e-

Digitized by Google

sandleni sommelwane wakô, musan' ukunyanzelelana pântsi.

15 Wotênga wena kummelwane wakô ngokwenani leminyaka emva konyaka wentlokoma; wotêngisa yena kuwe ngokwenani leminyaka yongeniselo.

16 Ngokobuninzi beminyaka wolandisa ixabiso layo, nangokobuncinane beminyaka wolincipîsa ixabiso layo; ngokuba etêngisa kuwe ngenani longeniselo.

17 Ize ninganyanzelelani pantsi, uz'umoyike u-Tîxo wakô: ngokuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

18 Ize niyenze imimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze; nohlala kulo ilizwe nikôlosile;

19 Ilizwe livelise iziqâmo zalo, nidle nihlutê, nihlale nikôlosile kulo.

20 Xa nitê, Sodla nto-nina ngonyaka wesixênxe? nanku singahlwayeli, singahlanganisi lungeniselo lwetû,

21 Ndoyiwisela umtêtô intsikelelo yam, ibe kuni ngonyaka wesitândatû, iluvelise ungeniselo lweminyaka emitâtû;

22 Nohlwayela ngonyaka wesibôzo, nidle amahasa kude kube ngunyaka wesitôba; nodla amahasa lude lufike ungeniselo lwawo.

23 Ilizwe zekungatêngiswa ngalo, libânge, kuba ilizwe lelam; ngokuba ningabapâmbûkeli nendwendwe kum;

24 Ezweni-ke lonke lelifa lenu ilizwe nolifolela isikûlulo.

25 Xa atê umzalwana wakô wanzonza, watêngisa ngento yelifa lakê, makeze owalamana naye ofanele ukumkûlula, ayikûlule ngokuyihlaulela lonto watêngisa ngayo umzalwana wakê.

26 Umntu xa angenabani wokumkûlula, sibe sinokufikelela isandla sake sifumane okulingene ukuzikûlulela ngentlaulelo:

27 Wobala iminyaka yokutêngisa kwakê, abuyisele okugqitiselevo kulomntu watêngisa kuye, abuyele elifeni lakê.

28 Ukuba isandla sakê asinakufumana okulingene ukubuyisela kuye lonto watêngisa ngayo: yohlala esandleni salowo uyitêngileyo, kude kube ngunyaka wentlokoma; yopûma ngowentlokoma, abuyele elifeni lakê.

29 Umntu xa atê watêngisa ngendlu yokuhlala isemzini onodonga, yoba nokukûlulwa ngentlaulelo ude upêle unyaka wokutêngiswa kwayo; yoba zintsuku ezitîle isenokukûlulwa ngentlaulelo.

30 Ukuba itê ayakûlulwa ngentlaulelo, wada wazaliseka wapêla umnyaka, yoqiniselwa kupêle indlu esemzini onodonga kulowo wayitêngayo ezizukulwaneni zakê; ayi kupûma ngonyaka wentlokoma.

31 Ke izindlu ze-lali ezingabiyelwe ngendonga, zobalelwa ekutîni ngamasimi alo ilizwe: zoba nokukûlulwa ngentlaulelo zona, zipûme ngonyaka wentlokoma.

32 Ke imizi yaba-Levi, izindlu zemizi yelifa labo, zoba nokukûlulwa ngentlaulelo nanini kuba-Levi.

33 Etê yatêngwa kuba-Levi, indlu ekutêngiswe ngayo emzini welifa lakê yopûma ngonyaka wentlokoma; ngokuba izindlu zemizi yaba-Levi zililifa labo pâkatî konyana baka-Sirayeli.

34 Ilizwe ledlelo lemizi yabo makungatêngiswa ngalo, ngokuba lilifa elingunapâkade kubo.

35 Xa atê umzalwana wako wanzonza, isandla sakê solukela kuwe: womomeleza, apîle nawe engumpâmbûkeli, elundwendwe kuwe.

36 Mus'ukutabata nzala kuye nalwando lwembôleko; uze woyike u-Tîxo wakô, apîle umzalwana wakô kuwe.

37 Imali yakô, uz'ungamniki ngenxa yenzala, ungamniki ukudla kwakô ngenxa yolwando lwembôleko:

38 Ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, onikûpîleyo ezweni lase-Yiputa, ukuze ndinike ilizwe lakwa-Kanan, ndibe ngu-Tîxo kuni.

39 Xa atê umzalwana wakô wanzonza ekuwe, wazitêngisa kuwe, uz'ungamkônzisi ngokukônza kwekôboka;

40 Woba njengomqeshwa, njengolundwendwe kuwe; wokukônza kude kube ngunyaka wentlokoma;

41 Apûme kuwe enabantwana bakê, abuyele emizalwaneni yakê, abuyele elifeni loyise;

42 Ngokuba ngabakônzi bam abo endibakûpîleyo ezweni lase-Yiputa; makungatêngiswa ngabo ngokutêngiswa kwekôboka.

43 Uz'ungampâtî ngokutyumzayo; uze woyike u-Tîxo wakô.

44 Umkônzi wakô nomkônzazana wakô, aba bakuwe, boba ngabasezintlangeni ezi-

Digitized by Google

ningqongileyo, notênga kuzo umkônzi nomkônzazana.
45 Kanjalo konyana baba lundwendwe kuni, abapâmbûkele kuni, notênga kubo, nasemizalwaneni yabo ekuni, abayizalele ezweni lenu; babe lilifa kuni;
46 Nibenze babe lilifa konyana benu emva kwenu, ukuba babatâbatê babe lilifa, nibakônzise ngonapâkade; ke bona abazalwana benu onyana baka-Sirayeli mabangapâtâni ngokutyumzayo.

47 Xa sitê isandla sompâmbûkeli nolundwendwe kuwe satyeba ekuwe, umzalwana wakô wanzonza ekuye, wazitêngisa kumpâmbûkeli olundwendwe kuwe, nakumlibo womzalwane wompâmbûkeli:
48 Woba nokukûlulwa ngentlaulelo emva kokuzitêngisa kwakê; omnye kubazalwana bakê womkûlula ngentlaulelo;
49 Nokuba nguyisekazi, nokuba ngunyana kayisekazi, womkûlula ngentlaulelo, nokuba ngowenyama yenyama yakê emizalwaneni yakê: womkûlula ngentlaulelo; nokuba isandla sakê sitê satyeba, wozikûlula ngokwakê, ngentlaulelo;
50 Abalelane nowamtêngayo, atâbatêle enyakeni wokutêngiswa kwakê kuye, ase enyakeni wentlokoma, iti imali yokutêngiswa kwakê ime ngokwenani leminyaka abe kuye ngokwemihla yomqeshwa.
51 Ukuba isemininzi iminyaka, woyibuyisa kwimali yokutêngwa kwake ibe ngangayo intlaulelo yokukûlulwa kwakê.
52 Ukuba kutê kwasala iminyaka embalwa, ukuze kube ngunyaka wentlokoma, wobala ngokweminyaka yakê, abuyise intlaulelo yokukûlulwa kwakê.
53 Woba njengomqeshwa unyaka ngonyaka kuwe; uz'ungampâtî ngokutyumzayo emehlweni akô.
54 Ukuba utê akakûlulwa ngentlaulelo ngabo abo, wopûma ngonyaka wentlokoma, yena enabantwana bakê.
55 Ngokuba kum onyana baka-Sirayeli ngabakônzi, bangabakônzi bam endibakûpfleyo ezweni lase-Yiputa: ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

26 Ize ningazenzeli izinto ezinge-ni nomfanekiso oqingqiweyo, ningazipâkâmiseli isimiso samatye, ningagxumeki ilitye elingumfanekiso ezweni lenu, ukuba niqubude kulo: ngokuba ndingu-Yehova u-Tixo wenu.

2 Ize nizigcine i-sabatâ zam, niyoyike ingcwele yam: ndingu-Yehova.

3 Ukuba nitê nahambâ emimiselweni yam, nayigcina imitêtô yam, nayenza:
4 Ndoninika izipângo zenu ngexesha lazo; ilizwe lininike indyebo yalo, nemiti yentsimi ivelise iziqâmo zawo;
5 Nento eniyibûlileyo ifikelele ekuvunweni kwe-diliya, ukuvunwa kwe-diliya kufikelele ekuhlwayeleni, nidle isonka senu, nihlutê, nilale ezweni lenu nikôlosile;
6 Ndininike uxolo ezweni-elo, nilale; kungabikô bani unigubîsayo, ndilisuse ifa mncwa ezweni-elo, ifele lingahambî ezweni lenu;
7 Nizisukele intshaba zenu, zeyele ereleni pâmbî kwenu.
8 Nibahlanu nosukela ikûlu, nilikûlu nosukela amawaka alishumi, zeyele ereleni intshaba zenu pâmbî kwenu.
9 Ndinibêke, ndiniqâmise, ndinandise, ndiwumise umnqopiso wam nani,
10 Nidle amahasa, nikûpê amahasa endaweni yokudla okutsha;
11 Ndiwumise umnquba wam pâkatî kwenu, ningadimalelwa ngumpêfumlo wam;
12 Ndihambê pâkatî kwenu, ndibe ngu-Tixo wenu, nina nibe ngabantu bam.
13 Ndingu-Yehova u-Tixo wenu, onikûpfleyo ezweni lase-Yiputa, ukuba ningabi ngabakônzi bawo; ndazapûla i-dyokwe zenu, ndanihambîsa natî-nqo.

14 Ukuba nitê anandipûlapûla, anayenza lemitêtô yonke,
15 Ukuba nitê nayicekisa imimiselo yam, ukuba utê umpêfumlo wenu wadimala ngamasiko am, ukuze ningayenzi imitêtô yam yonke, nesuka nawapûla umnqopiso wam:
16 Nam ndiya kwenza oku kuni, ndiya kunivelela ngento ekwanqisayo, ngesifo sepêpâ, nangecesina epêlisa amehlo, eyetîsa umpêfumlo, nifumane nihlwayele imbêwu yenu, idliwe zintshaba zenu;
17 Ndinicâse nina, ukuze nibetwe pâmbî kwentshaba zenu, baninyatêle abanitîyayo, nisabe kungekô unisukelayo.
18 Ukuba nitê anandipûlapûla noko kungako: ndokongeza ukunitêtîsa kasixênxe ngenxa yezono zenu,
19 Ndilapûle iqayiya lamandla enu; a-

Digitized by Google

mazulu enu ndiwenze abe njengesinyiti, ilizwe lenu libe njengobêdu,

20 Agqitywe ngelizé amandla enu, ilizwe lenu lingayivelisi indyebo yalo, nemitî yelizwe ingazivelisi iziqâmo zayo.

21 Ukuba nitê nahambâ ngokundicâsa, anavuma ukundipûlapûla: ndosongeza kuni isibetô kasixênxe ngokwezono zenu;

22 Ndinitûmele amafamncwa, awonihlutâ abantwana benu, aqwenge nenkomo zenu, anenze nibe mbalwa, nendlela zenu zingahanjwa.

23 Ukuba nitê anavuma ukutêtîswa ndim noko kungako, nahambâ ngokundicâsa:

24 Nam ndohambâ ngokunicâsa, nam ndinibetê kasixênxe ngenxa yezono zenu;

25 Ndinizisele ifele eliyipîndezelayo impindezelo yomnqopîso. Nokuba nihlanganisene emizini yenu, ndotûma indyikitya yokufa pâkatî kwenu, ninikelwe esandleni sotshaba.

26 Ekuwapûleni kwam umsimelelo osisonka senu, abafazi abalishumi bososela bâk'ontini-nye isonka senu, basibuyise isonka senu besilinganisile, nidle ningahlutî.

27 Ukuba nitê anandipûlapûla noko kungako, nahambâ ngokundicâsa:

28 Ndohambâ ngokunicâsa ngokushushu, ndinitêtîse nam kasixênxe ngenxa yezono zenu;

29 Nidle inyama yonyana benu, nidle nenyama yentombî zenu;

30 Ndizitshabalalise izigângā zenu, ndizigaule intsika zenu zelanga, ndizipôse izidûmbū zenu pêzu kwezidûmbū zezigodo ezizizi-Tîxo zenu; umpêfumlo wam udimale nini;

31 Imizi yenu ndiyenze amanxuwa, ndizenze kube senkangala ingcwele zenu, ndingalivi ivumbâ lenu lokutôzamisa;

32 Ilizwe ndilenze mna kube senkangala, intshaba zenu ezimiyo kulo zimangaliswe lilo;

33 Ndinicîtâcîtê pâkatî kwentlanga, ndifole ifele lam emva kwenu, ilizwe lenu kube senkangala, imizi yenu ibe ngamanxuwa.

34 Liya kwandula ukwaneliswa zi-sabatâ zalo ilizwe, yonke imihla ekusenkangala ngayo, nina-ke nisezweni lentshaba zenu; liya kwandula ukupûmla ilizwe, laneliswe zi-sabatâ zalo.

35 Yonke imihla ekusenkangala ngayo lopûmla; oko lingakupûmlanga nge-sabatâ zenu ekulihlaleni kwenu.

36 Abaseleyo kuni ndongenisa inyungu ezintliziyweni zabo emazweni entshaba zabo; bagxotwe kufashaza kwegqabi elipêtshetwayo, basabe ngatî basaba ifele, bawe kungekô ubasukelayo;

37 Bakûbeke omnye komnye njengapâmbî kwefele, kungekô ubasukelayo; anisokuba nakumisa pâmbî kwentshaba zenu.

38 Nobûbâ pakatî kwentlanga, ilizwe lentshaba zenu linidle;

39 Abaseleyo kuni bangcungcutêke ebugwenxeni babo emazweni entshaba zenu, nasebugwenxeni boyise, bangcungcutêke benabo.

40 Ukuba-ke batê babuvuma ubugwenxa babo nobugwenxa boyise,—ngenxa yokumeneza kwabo abameneze ngako kum, nangenxa yokuhambâ ngokundicâsa,

41 Endatî nam ndahambâ ngokubacâsa, ndabasa ezweni lentshaba zabo,—kanye ukuba zitê zatôbeka intliziyo zabo ezingalukanga, ukuba batê bandula ukwaneliswa bugwenxa babo:

42 Ndowukûmbûla umnqopîso wam no-Yakobi, kwa-nomnqopîso wam no-Isake, kwanomnqopîso wam no-Abraham, nelizwe ndilikûmbûle.

43 Nelizwe liyakushiywa ngabo laneliswe zi-sabatâ zalo, xa kutê kwasenkangala ababikô kulo; baneliswe bona bugwenxa babo ngenx' enokuba bawacekisayo amasiko am, nompêfumlo wabo wadimala yimimiselo yam.

44 Kanti-ke noko kude kwanjalo, baba sezweni lentshaba zabo, andibacekisile, andidimele ngabo ukuba ndibagqibe ndapûle umnqopîso wam nabo; kuba ndingu-Yehova u-Tîxo wabo;

45 Ndinikûmbûlele umnqopîso *wam* namanyange endiwakûpê ezweni lase-Yiputa pâmbî kwentlanga, ukuba ndibe ngu-Tîxo kubo: ndingu-Yehova.

46 Yiyo leyo imimiselo namasiko nemiyalelo, awayenzayo u-Yehova pâkatî kwakê nonyana baka-Sirayeli entabeni yase-Sinayi ngesandla sika-Moses.

27 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Xa atê umntu wenza isibâmbâtîso esibalulekileyo: imipêfumlo yoba yeka-Yehova ngokulinganisela kwakô,

Digitized by Google

3 Ke, ukulinganisela kwakô oyindoda makutâbatêle kominyaka imashumi mabini ezelwe, kuse kominyaka imashumi matándatû ezelwe: ukulinganisela kwakô makube zi-shekele ze-silivere ezimashumi mahlanu zengcwele;
4 Ke ukuba yinkazana: ukulinganisela kwakô makube zi-shekele ezimashumi matâtû.
5 Ukuba kutâbatêle kumntwana ominyaka mihlanu, kwesa kumntwana ominyaka imashumi mabini: ukulinganisela kwakô oyindoda makube zi-shekele ezimashumi mabini; oyinkazana: makube zi-shekele ezishumi-nye.
6 Ukuba kutâbatêle kumntwana onyanganye, kwesa kumntwana ominyaka mihlanu: ukulinganisela kwakô oyindoda makube zi-shekele ze-silvere ezintlanu; ukulinganisela kwakê oyinkazana makube zi-shekele ze-silivere ezintatû.
7 Ukuba kutâbatêle kominyâka imashumi matándatû ezelwe, kwenyusa, ukuba uyindoda: ukulinganisela kwakô makube zishekele ezilishumi elinesihlanu; oyinkazana: makube zi-shekele ezishumi-nye.
8 Ke ukuba utê wanzonza kunokulinganisela kwakô, makamiswe pâmbî komenzeleleli, umenzeleleli amlinganisele; ngento esinokuyifumana isandla salowo ubâmbâtisileyo, umenzeleleli amlinganisele.

9 Ukuba yinkomo-leyo, kusondezwa yona ukuba ibe ngumsondezo ku-Yehova: yonke into enjalo enikelwa ku-Yehova mayibe ngcwele.
10 Ize ingaguqulwa, ize ingananwa, elungileyo ngembî, embî ngelungileyo; ukuba utê wanana ukwanan' oku inkomo ngenkomo, mayibe ngcwele yona, kwanaleyo kwananwe ngayo.
11 Ke ukuba yinto ezitô zine eyinqambî nokuba yiyipî, ekungasondezwa msondezo wayo ku-Yehova; into-leyo izitô zine mayimiswe pâmbî komenzeleleli,
12 Umenzeleleli ayilinganisele, abetê pakatî kwelungileyo nembî, yoba njengokulinganisela kwakô, wena menzeleleli.
13 Ukuba utê wayikûlula okunene ngentlaulelo, makongeze isahlulo sesihlanu sayo kuko oko kulinganisela kwakô.

14 Xa atê umntu wayingcwalisa indlu yakê ukuba ibe ngcwele ku-Yehova, umenzeleleli makayilinganisele, abetê pâkatî kwelungileyo nembî; njengoko umenzeleleli ayilinganiseleyo, yoqiniseka ngokunjalo.
15 Ukuba lowo wayingcwalisayo utê wayikûlula ngentlaulelo indlu yakê, makongeze isahlulo sesihlanu se-silvere sokulinganisela kwakô kuko oko, ibe yeyakê.

16 Ukuba umntu utê wangcwalisa ku-Yehova inxalenye yentsimi yelifa lakê: ukulinganisela kwakô makube ngokwembêwu yayo, i-homere[1] yembewu yefasi nge-shekele ze-silivere ezimashumi mahlanu.
17 Ukuba utê wayingcwalisa intsimi yakê, etâbatê enyakeni wentlokoma, mayiqiniseke ngokulinganisela kwakô.
18 Ukuba ute wayingcwalisa intsimi yakê emva kowentlokoma, umenzeleleli makambalele imali ngokweminyaka esaseleyo, kuse enyakeni wentlokoma, ipûngulwe kweyokulinganisela kwakô.
19 Ukuba lowo wayingcwalisayo utê wayikûlula okunene ngentlaulelo intsimi, makongeze isahlulo sesihlanu semali sokulinganisela kwakô kuko oko, iqiniseke kuye.
20 Ukuba utê akayikûlula ngentlaulelo intsimi, nokuba utê watêngisa ngentsimi leyo komnye umntu, mayingabi sakûlulwa ngentlaulelo.
21 Lontsimi yoba ngcwele ku-Yehova, ekupûmeni kwayo *kulomntu* ngonyaka wentlokoma, njengentsimi eyahlulelwe, ukuba ibe lilifa lomenzeleleli.
22 Ukuba utê wangcwalisa ku-Yehova intsimi yentengo yakê, ingentsimi yelifa lakê,
23 Umenzeleleli makambalele inanî lokulinganisela kwakô, kuse enyakeni wentlokoma, anike ukulinganisela kwakô ngalomhla kube njengento engcwele ku-Yehova.
24 Ngonyaka wentlokoma intsimi mayibuyele kulowo yatêngwa kuye, kulowo belilelakê ilifa lomhlaba.
25 Konke ukulinganisela kwakô makube nge-shekele engcwele; i-shekele yoba zigera ezimashumi mabini.

26 Ngamazibulo odwa ezintweni ezizitô zine, azityulelwa u-Yehova, angayi kungcwaliswa mntu, nokuba yinkomo, nokuba yimvu; ngaka-Yehova.

[1] I-homere izi-kwarte ezimakûlu matâtû.

Digitized by Google

27 Ukuba ngawezinto ezizitô zine ezizinqambî, makamiselwe ngokulinganisela kwakô, kongezwe isahlulo sesihlanu sakô kuko oko; ke ukuba atê akakûlulwa ngentlaulelo, makutêngiswe ngawo ngokulinganisela kwakô.

28 Kodwa yonke into esingelwe pântsi, asukuba umntu eyisingela ku-Yehova entweni yonke anayo, nokuba ngumntu, nokuba yinto ezizitô zine, nokuba yintsimi yelifa lakê, makungatêngiswa ngayo, mayingakûlulwa nangentlaulelo; yonke into esingelwe pântsi yingcwele kangcwele ku-Yehova.

29 Yonke into esingelwe pantsi etê yasingelwa pântsi ingumntu, mayingakûlulwa nangokumiselwa; mayibulawe ife.

30 Sonke isishumi somhlaba sembêwu yomhlaba, seziqâmo zomtî sesika-Yehova: singcwele ku-Yehova.

31 Ukuba utê umntu wasikûlula okunene ngentlaulelo isishumi sakê, makongeze kuso isahlulo sesihlanu saso.

32 Sonke isishumi senkomo nesempahl' emfutshane, yonke into etûbeleza pântsi kwentonga, eyeshumi mayibe ngcwele ku-Yehova.

33 Makangagocagoci pâkatî kwelungileyo nembî, angayanani; ukuba utê wayanana ukuyanan' oku, mayibe ngcwele yona, naleyo kwananwe ngayo mayingakûlulwa ngentlaulelo.

34 Yiyo leyo imitêtô u-Yehova awayiwisela u-Moses ngenxa yonyana baka-Sirayeli entabeni yase-Sinayi.

INCWADI YESINE KA-MOSES,

LEYO KUTIWA

YI-NUMERI.

ISIQENDU I.

WATÉTÂ u-Yehova ku-Moses entlango yase-Sinayi, en-tenteni yokuhlangana, ngolokuqala usuku lwenyanga yesibini, ngomnyaka wesibini wokupûma kwabo ezweni lase-Yiputa, esitî,

2 Tâbatâni inani lebandla lonke lonyana baka-Sirayeli, ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, yonke into eyindoda, ngokwentloko yayo,

3 Nitâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe ninyuse; bonke abapûma umkôsi kwa-Sirayeli, nibabale nibabâle emliben ngokwemikôsi yabo, wena no-Aron;

4 Kubekô nani indoda esizweni ngasinye, indoda eyintloko yendlu yoyise.

5 Ngawo la amagama amadoda aya kuma nani: kwa-Ruben: u-Elitsure unyana ka-Shediyure;

6 Kwa-Simon: u-Shelumiyeli unyana ka-Tsurishadayi;

7 Kwa-Yuda: u-Nashon unyana ka-Aminadabi;

8 Kwa-Isakare: u-Nataniyeli unyana ka-Tsuhare;

9 Kwa-Zebulon: u-Eliyabi unyana ka-Helon;

10 Konyana baka-Yosefu: kwa-Efrayim: u-Elishama unyana ka-Amihudi; kwa-Manase: u-Gamaliyeli unyana ka-Pedatsure;

11 Kwa-Benyamin: u-Abidan unyana ka-Gidiyoni;

12 Kwa-Dan: u-Ahiyezere unyana ka-Amishadayi;

13 Kwa-Ashere: u-Pagiyeli unyana ka-Okran;

14 Kwa-Gadi: u-Eliyasafu unyana ka-Dehuweli;

Digitized by Google

15 Kwa-Naftali; u-Ahira unyana ka-Enan.
16 Ngabo abo ababizwe libandla, abazizikûlu zezizwe zoyise, abazintloko zamawaka akwa-Sirayeli bona.
17 O-Moses no-Aron bawatâbatâ lomadoda ahleliweyo ngamagama,
18 Balibizela ndawo-nye lonke ibandla ngolokuqala usuku lwenyanga yesibini, ukuba baxele ukuzalwa kwabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, ngokwentloko zabo;
19 Njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses, wababala entlango yase-Sinayi.

20 Konyana baka-Ruben, owamazibulo ka-Sirayeli, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, ngokwentloko zabo, yonke into eyindoda etâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, inyuse, bonke abapûma umkôsi:
21 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Ruben baba ngamashumi amane anamatândatû amawaka, anamakûlu mahlanu.

22 Konyana baka-Simon, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ababâlwa kubo ngenani lamagama, ngokwentloko zabo, yonke into eyindoda etâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe inyuse, bonke abapûma umkôsi:
23 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Simon baba ngamashumi amahlanu anesitôba amawaka, anamakûlu matâtû.

24 Konyana baka-Gadi, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
25 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Gadi baba ngamashumi amane anamahlanu amawaka, anamakûlu matândatû, anamanci mahlanu.

26 Konyana baka-Yuda, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
27 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Yuda baba ngamashumi asixênxe anamane amawaka, anamakûlu matândatû.

28 Konyana baka-Isakare, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
29 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Isakare baba ngamashumi amahlanu anamane amawaka, anamakûlu mane.

30 Konyana baka-Zebulon, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
31 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Zebulon baba ngamashumi amahlanu anesixênxe amawaka, anamakûlu mane.

32 Konyana baka-Yosefu: konyana baka-Efrayim: inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
33 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Efrayim baba ngamashumi amane amawaka, anamakûlu mahlanu.

34 Konyana baka-Manase, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
35 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Manase baba ngamashumi amatâtû anamabini amawaka, anamakûlu mabini.

36 Konyana baka-Benyamin, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
37 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Benyamin baba ngamashumi amatâtû anamahlanu amawaka, anamakûlu mane.

38 Konyana baka-Dan, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,

Digitized by Google

ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
39 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Dan baba ngamashumi amatândatû anamabini amawaka, anamakûlu asixênxe.

40 Konyana baka-Ashere, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
41 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Ashere baba ngamashumi amane analinye amawaka, anamakûlu mahlanu.

42 Konyana baka-Naftali, inzala yabo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, ngenani lamagama, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi:
43 Ababalwayo babâlwa kubo besizwe sakwa-Naftali baba ngamashumi amahlanu anamatâtû amawaka, anamakûlu mane.

44 Ngabo abo babalwayo, babalwayo babâlwa ngu-Moses no-Aron, nezikûlu zakwa-Sirayeli ezilishumi elinazibini, iyileyo indoda ibâlelwa indlu yoyise.
45 Bonke ababalwayo bonyana baka-Sirayeli ngokwezindlu zoyise, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, bonke abapûma umkôsi kwa-Sirayeli:
46 Bonke ababalwayo baba ngamakûlu amatândatû amawaka, anamawaka matâtû, anamakûlu mahlanu, anamanci mahlanu.

47 Ke bona aba-Levi, ngokwesizwe sendlu zoyise ababalelwanga pâkatî kwabo.
48 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
49 Kodwa sona isizwe sakwa-Levi uz'ungasibali; ungalitâbatî inani laso pâkatî konyana baka-Sirayeli.
50 Wena-ke aba-Levi uz'ubenze bavelele umnquba wesinqîno nempahla yawo yonke, nento yonke ekuwo, bawutwale umnquba nempahla yawo yonke, balungiselele kuwo, bamise in-tente *zabo* ngenxa zonke emnqubeni.
51 Ekundulukeni komnquba wowiswa ngaba-Levi; ekumisweni komnquba wopâkanyiswa ngaba-Levi; owasemzini osondelayo *kuwo* makabulawe.
52 Onyana baka-Sirayeli bomisa elowo in-tente yakê eminqubeni yakowabo, elowo e-bânileni yakowabo ngokwemikôsi yabo.
53 Aba-Levi bona bozimisa ezabo ngenxa zonke emnqubeni wesinqîno, ukuze kungezi bufalafume pêzu kwebandla lonyana baka-Sirayeli, basigcine aba-Levi isigxina somnquba wesinqîno.
54 Benza-ke onyana baka-Sirayeli; njengako konke u-Yehova abemwisele umtêtô u-Moses, benje njalo.

2 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,
2 Elowo konyana baka-Sirayeli woyimisa in-tente yakê, ngakwibânile yakowabo, eziqondisweni zezindlu zoyise, bamise malunga nen-tente yokuhlangana ngenxa zonke.
3 Abomisa pâmbîli ngasempumalanga boba ngabe-bânile yakwa-Yuda ngokwemikôsi yabo; inkulu yonyana baka-Yuda ngu-Nashon unyana ka-Aminadabi;
4 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi osixênxe anesine amawaka, anamakûlu matândatû.
5 Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwa-Isakare; inkulu yonyana baka-Isakare ngu-Nataniyeli unyana ka-Tsuhare;
6 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omahlanu anamane amawaka, anamakûlu mane.
7 Kulandele isizwe sakwa-Zebulon; inkulu yonyana baka-Zebulon ngu-Eliyabi unyana ka-Helon;
8 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omahlanu anesixênxe amawaka, anamakûlu mane.
9 Bonke-ke ababâlelwa eminqubeni yakwa-Yuda likûlu lamawaka, anamanci osibôzo amawaka, anesitândatû samawaka, anamakûlu mane, ngokwemikôsi yabo. Bonduluka kuqala bona.

10 I-bânile yeminquba yakwa-Ruben yoba ngase-Zantsi ngokwemikôsi yabo; inkulu yonyana baka-Ruben ngu-Elitsure unyana ka-Shedeyure;
11 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kuye ngamashumi omane anesitândatû samawaka, anamakûlu mahlanu.
12 Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwa-Simon; inkulu yonyana baka-Simon ngu-Shelumiyeli unyana ka-Tsurishadayi;
13 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo

Digitized by Google

ngamashumi omahlanu anesitôba samawaka, anamakûlu matâtû.
14 *Kulandele* isizwe sakwa-Gadi; inkulu yonyana baka-Gadi ngu-Eliyasafu unyana ka-Rehuweli;
15 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omane anesihlanu samawaka, anamakulu matândatû, anamanci mahlanu.
16 Bonke-ke ababâlelwa eminqubeni yakwa-Ruben likûlu lamawaka, elinamanci mahlanu amawaka, anawaka-nye, linamakûlu mane, anamanci mahlanu, ngokwemikôsi yabo. Bonduluka beyeyesibini.

17 Yoncotûlwa in-tente yokuhlangana ineminquba yaba-Levi pâkatî kweminye iminquba; njengoko bamisa ngako bonduluka ngako, elowo endaweni yakê ngokwebânile yakowabo.

18 I-bânile yeminquba yakwa-Efrayim yoba ngasentshonalanga ngokwemikôsi yabo; inkulu yonyana baka-Efrayim ngu-Elishama unyana ka-Amihude;
19 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omane amawaka, anamakûlu mahlanu.
20 Ngakuye ibe sisizwe sakwa-Manase; inkulu yonyana baka-Manase ngu-Gamaliyeli unyana ka-Pedatsure;
21 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omatâtû anesibini samawaka, anamakûlu mabini.
22 Kulandele isizwe sakwa-Benyamin; inkulu yonyana baka-Benyamin ngu-Abidan unyana ka-Gidiyoni;
23 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omatâtû anesihlanu samawaka, anamakûlu mane.
24 Bonke-ke ababâlelwa eminqubeni yakwa-Efrayim likûlu lamawaka, anesibôzo samawaka anakûlu-nye, ngokwemikôsi yabo. Bonduluka beyeyesitâtû.

25 I-bânile yeminquba yakwa-Dan yoba ngase-Ntla ngokwemikôsi yabo; inkulu yonyana baka-Dan ngu-Ahiyezere unyana ka-Amishadayi;
26 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omatândatû anesibini samawaka, anamakûlu asixênxe.
27 Abomisa ngakuye yoba sisizwe sakwa-Ashere; inkulu yonyana baka-Ashere ngu-Pagiyeli unyana ka-Okran;
28 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo ngamashumi omane amawaka, anawaka-nye, linamakûlu mahlanu.
29 Kulandele isizwe sakwa-Naftali; inkulu yonyana baka-Naftali ngu-Ahira unyana ka-Enan;
30 Umkôsi wakê, abo babâlwayo kubo, ngamashumi omahlanu anesitâtû samawaka, anamakûlu mane.
31 Bonke-ke ababâlelwa eminqubeni yakwa-Dan likûlu lamawaka, anamanci omahlanu anesixênxe samawaka, anamakûlu matândatû. Bonduluka bengabokugqibela, ngokwe-bânile zabo.

32 Ngabo-ke abo babâlwayo konyana baka-Sirayeli ngokwezindlu zoyise, bonke ababâlelwa eminqubeni ngokwemikôsi yabo: ngamakûlu omatândatû amawaka, anesitâtû samawaka, anamakûlu mahlanu, anamanci mahlanu.
33 Ke aba-Levi ababâlelwanga pâkatî konyana baka-Sirayeli, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.
34 Benza-ke onyana baka-Sirayeli; njengako konke u-Yehova abemwisele umtêtô u-Moses, benje njalo ukumisa intente ngokwe-bânile zakowabo, benje njalo ukunduluka, elowo ngokomzalwane wakê, ngokwendlu zoyise.

3 Yiyo le inzala ka-Aron no-Moses, mini u-Yehova watêtâyo no-Moses entabeni yase-Sinayi.
2 Ngawo la amagama onyana baka-Aron: owamazibulo ngu-Nadabi, no-Abihu, u-Elazare no-Itamare.
3 Ngawo lawo amagama onyana baka-Aron, abenzeleleli abatânjiswayo, bazaliswa isandla ukuba babe ngabenzeleleli.
4 Bafa o-Nadabi no-Abihu pâmbî ko-Yehova, ekusondezeni kwabo umlilo onge sesikweni pâmbî ko-Yehova, entlango yase-Sinayi; ababi nanyana bona; baba ngabenzeleleli o-Elazare no-Itamare ebusweni buka-Aron uyise.

5 Watêtâ u-Yehova ku-Moses esitî,
6 Sisondeze isizwe sakwa-Levi, usimise pâmbî ko-Aron umenzeleleli, ukuba balungiselele kuye,
7 Basigcine isigxina sakê nesigxina sebandla lonke pâmbî kwen-tente yokuhlangana, ukuba basebenze umsebenzi womnquba;

Digitized by Google

8 Bazigcine impahla zonke zen-tente yokuhlangana nesigxina sonyana baka-Sirayeli, ukuba basebenze umsebenzi womnquba;
9 Umnike aba-Levi u-Aron nonyana bakê, abanikwe banikwa ngonyana baka-Sirayeli.
10 O-Aron nonyana bakê ubenze bavelele, babugcine ubenzeleleli babo; owasemzini osondelayo makabulawe.

11 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
12 Uyabona, mna ndibatâbatîle aba-Levi pâkatî konyana baka-Sirayeli, esikûndleni samazibulo onke avula isizalo pâkatî konyana baka-Sirayeli, baba ngabam aba-Levi;
13 Kuba onke amazibulo ngawam, mini ndawabetâyo onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, ndazingcwalisela onke amazibulo kwa-Sirayeli, etâbatêla emntwini, esa enkomeni; oba ngawam mna Yehova.

14 Watêtâ u-Yehova ku-Moses entlango yase-Sinayi, esitî,
15 Babale onyana baka-Levi ngokwezindlu zoyise, ngokwemizalwane yabo: yonke into eyindoda, etâbatêla kunyana onyanga nye inyuse, woyibala.
16 Wababala-ke u-Moses ngokomlomo ka-Yehova, njengoko wamwiselayo umtêtô.
17 Ngabo aba onyana baka-Levi ngamagama abo: ngu-Gershon no-Kehati no-Merari.
18 Ngawo la amagama onyana baka-Gershon ngokwemizalwane yabo; ngu-Libeni no-Shimehi.
19 Onyana baka-Kehati ngokwemizalwane yabo: ngu-Amram no-Itsare, ngu-Hebron no-Uziyeli.
20 Onyana baka-Merari ngokwemizalwane yabo: ngu-Maheli no-Mushi. Yiyo leyo imizalwane yakwa-Levi ngokwezindlu zoyise.

21 Kwa-Gershon ngumzalwane wakwa-Libeni nomzalwane wakwa-Shimehi, yiyo leyo imizalwane yakwa-Gershon.
22 Ababalwayo kubo ngenani lawo, yonke into eyindoda etâbatêla kunyana onyanga nye inyuse, ababalwayo kubo: ngamawaka asixênxe, anamakûlu mahlanu.
23 Imizalwane yakwa-Gershon yomisa in-tente ngasemva komnquba ngasentshonalanga.
24 Inkulu yendlu yoyise kwa-Gershon ngu-Eliyasafu unyana ka-Layeli.
25 Isigxina sonyana baka-Gershon ententeni yokuhlangana soba ngumnquba, nen-tente, nesigubungelo sayo, nesisitêliso somnyango wen-tente yokuhlangana,
26 Namawunduwundu entendelezo, nesisitêliso somnyango wentendelezo esemnqubeni nasesibingelelweni ngenxa zonke, nezintya zawo emsebenzini wawo wonke.

27 Kwa-Kehati ngumzalwane wama-Amram nomzalwane wama-Itsare nomzalwane wama-Hebron, nomzalwane wama-Aziyeli; yiyo leyo imizalwane yama-Kehati.
28 Ngenani, into yonke eyindoda etâbatêla kunyana onyanga nye yenyusa: ngamawaka osibôzo, anamakûlu matândatû, egcine isigxina sengcwele.
29 Imizalwane yonyana baka-Kehati yomisa in-tente ngecala lomnquba elingase-Zantsi.
30 Inkulu yendlu yoyise ngokwemizalwane yakwa-Kehati ngu-Elitsafan unyana ka-Uziyeli.
31 Isigxina sawo ngumkômbê, ne-tafile, nesipâtô sezibane, nezibingelelo, nempahla zengcwele abalungiselela ngazo, nesitêliso, nomsebenzi wawo wonke.
32 Inkulu yezikûlu zakwa-Levi ngu-Elazare unyana ka-Aron umenzeleleli, umveleli wabagcina isigxina sengcwele.

33 Kwa-Merari ngumzalwane wakwa-Maheli nomzalwane wakwa-Mushi; yiyo leyo imizalwane yakwa-Merari;
34 Ababalwayo kubo ngenani lawo, yonke into eyindoda etâbatêla kunyana onyanga nye inyuse: ngamawaka amatândatû, anamakûlu mabini.
35 Inkulu yendlu yoyise ngokwemizalwane yakwa-Merari ngu-Tsuriyeli unyana ka-Abihayili; yomisa in-tente ngecala lomnquba elingase-Ntla.
36 Isigxina sonyana baka-Merari kukugcina: i-planga zomnquba nemivalo yawo, nentsika zawo, neziseko zawo, nempahla zawo zonke, nomsebenzi wawo wonke,
37 Nentsika zentendelezo ngenxa zonke,

Digitized by Google

neziseko zazo, nezikônkwane zazo, nezintya zazo.

38 Abomisa in-tente pâmbî komnquba ngasempumalanga, pâmbî kwen-tente yokuhlangana, ngu-Moses, no-Aron nonyana bakê abagcina isigxina sengcwele ngokwesigxina sonyana baka-Sirayeli. Owasemzini osondelayo makabulawe.

39 Bonke-ke ababalwayo bakwa-Levi, ababalwayo ngo-Moses no-Aron ngokomlomo ka-Yehova, ngokwemizalwane yabo, yonke into eyindoda etâbatêla kunyana onyanga nye inyuse: ngamashumi amabini anamabini amawaka.

40 Watî u-Yehova ku-Moses, Wabale onke amazibulo ento eyindoda konyana baka-Sirayeli, etâbatêla kunyana onyanganye inyuse, utâbatê inani lamagama awo;

41 Unditâbatêle mna Yehova aba-Levi esikûndleni samazibulo onke, apâkatî konyana baka-Sirayeli, nenkomo zaba-Levi esikûndleni samazibulo onke enkomo zonyana baka-Sirayeli.

42 Wawabâla-ke u-Moses, onke amazibulo pâkatî konyana baka-Sirayeli, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô,

43 Onke amazibulo ento eyindoda ngenani lamagama, etâbatêla kunyana onyanga nye anyuse, ngokubalwa kwawo: angamashumi amabini anamabini amawaka, anamakûlu mabini, anamanci asixênxe anesitâtû.

44 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

45 Tâbatâ aba-Levi esikûndleni samazibulo onke, pâkatî konyana baka-Sirayeli, nenkomo zaba-Levi esikûndleni senkomo zabo, babe ngabam aba-Levi, mna Yehova.

46 Ke, amakûlu amabini, anamanci asixénxe anamatâtû aza kukûlulwa ngokumiselwa, kumazibulo onyana baka-Sirayeli, agqitiseleyo kuba-Levi,

47 Uz'utâbatê i-shekele zibe ntlanu ngentloko yomntu, zibe ntlanu ngentloko yomntu, utâbatê ngokwe-shekele yengcwele; i-shekele-leyo izi-gera ezimashumi mabini;

48 Umnike u-Aron nonyana bakê lomali yabakûlulwe ngokumiselwa, abagqitiseleyo kubo.

49 Wayitâbatâ-ke u-Moses lomali yokukûlulwa kwabo bagqitiseleyo kwabakûlulwe ngaba-Levi ngokumiselwa;

50 Wayitâbatâ kumazibulo onyana baka-Sirayeli imali; iliwaka elinamakûlu matâtû, anamanci matândatû anesihlanu ngokwe-shekele yengcwele.

51 U-Moses wayinika u-Aron nonyana bake imali-leyo yenkûlulo, ngokomlomo ka-Yehova, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

4 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

2 Libale inani lonyana baka-Kehati aba pâkatî konyana baka-Levi ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,

3 Utâbatêle kominyaka imashumi matâtû ezelwe, unyuse, use kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, labo bonke abeza kupûma umkôsi, ukuba benze umsebenzi en-tenteni yokuhlangana.

4 Nguwo lo umsebenzi wonyana baka-Kehati en-tenteni yokuhlangana wengcwele kangcwele.

5 Ekundulukeni komkôsi eminqubeni bongena o-Aron nonyana bakê, bawutûle umahlulo osisisitêliso, bawugubungele ngawo umkômbê wesinqîno,

6 Babeke pêzu kwawo isigubungelo sezikûmbâ zemvubu, batwabulule ngapêzulu ingubo ebala limsi lipêla, bazifake izibonda zawo;

7 Batwabulule ingubo ebala limsi pêzu kwe-tafile yezonka zokubonisa, babeke pêzu kwayo izikotile, nenkambâ, namatûnga, nendebe zokutûlula, nezonka zamaxesha onke zibe pêzu kwayo;

8 Batwabulule pêzu kwazo ingubo ebomvu, bagubungele ngesigubungelo sezikûmbâ zemvubu, bafake izibonda zayo;

9 Batabate ingubo ebala limsi, bagubungele isipâtô sezikânyiso nezibane zaso, nezifinyiso zaso, nenkambâ zaso, nazo zonke izitya ze-oli zazo abasilungiselela ngazo;

10 Basibeke nempahla yaso yonke esigubungelweni sezikûmbâ zemvubu, basibeke etâleni;

11 Batwabulule pêzu kwesibingelelo segolide ingubo ebala limsi, bayigubungele ngesigubungelo sezikûmbâ zemvubu, bafake izibonda zaso;

12 Batâbatê yonke impahla yokulungiselela, abalungiselela ngayo engcweleni, bayibeke engutyeni ebala limsi, bayigubungele ngesigubungelo sezikumbâ zemvubu, bayibeke etâleni;

Digitized by Google

13 Baluwole utûtû lwesibingelelo, batwabulule pêzu kwaso ingubo emfusa,
14 Bazibeke pêzu kwayo zonke impahla zaso, abalungiselela ngazo kuso: ingcedevu zamalahle, ne-folokwê, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, zonke impahla zesibingelelo, batwabulule pezu kwazo isigubungelo sezikûmbâ zemvubu, bafake izibonda zaso;
15 Bagqibe o-Aron nonyana bakê ukuyigubungela ingcwele nempahla yonke yengcwele ekundulukeni komkôsi eminqubeni; emveni koko-ke beze kutŵala onyana baka-Kehati, bangayicûkumisi ingcwele hleze bafe. Nguwo lowo umtŵalo wonyana baka-Kehati en-tenteni yokuhlangana.
16 Isigxina sika-Elazare unyana ka-Aron umenzeleleli kukugcina i-oli yesikânyiso, nesiqûmiso esimnandi, nomnikelo wokudla wamaxesha onke, ne-oli yokutâmbîsa, uvelelo lomnquba wonke nento yonke ekuwo engcweleni, nasempahleni zayo.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,
18 Musan' ukusinqumla' isizwe esingumzalwana wakwa-Kehati pâkatî kwaba-Levi;
19 Yenzani lento kubo, ukuba bapîle, bangafi ekusondeleni kwabo engcweleni kangcwele: bongena o-Aron nonyana bakê, babamise elowo emsebenzini wakê nasemtŵalweni wakê;
20 Bangangeni bakângele ingcwele nangepânyazo eli hleze bafe.

21 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
22 Libale inani lonyana baka-Gershon nabo, ngokwezindlu zoyise, ngokwemizalwane yabo,
23 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe; wobabâla bonke abeza kupûma umkôsi ukuba basebenze en-tenteni yokuhlangana.
24 Nguwo lo umsebenzi wemizalwane yakwa-Gershon wokusebenza nokutŵala:
25 Botŵala amalengalenga omnquba, nen-tente yokuhlangana, isigubungelo sayo, nesigubungelo sezikûmbâ zemvubu esipêzu kwaso ngapêzulu, nesisitêliso somnyango wen-tente yokuhlangana,
26 Namawunduwundu entendelezo, nesisitêliso sokungena kwesango lentendelezo, esemnqubeni nasesibingelelweni ngenxa zonke, nezintya zawo, nempahla yonke yomsebenzi wabo, nento yonke eyenzelwe ukuba basebenze ngayo.
27 Woba ngokomlomo ka-Aron nonyana bakê wonke umsebenzi wonyana baka-Gershon, ekutŵaleni kwabo konke nasekusebenzeni kwabo konke, nibenze bavelele bakugcine konke ukutŵala kwabo.
28 Nguwo lowo umsebenzi wemizalwane yonyana baka-Gershon en-tenteni yokuhlangana; isigxina sabo soba sesandleni sika-Itamare unyana ka-Aron umenzeleleli.

29 Onyana baka-Merari wobabala ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,
30 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, nobabâla bonke abeza kupûma umkôsi, basebenze en-tenteni yokuhlangana.
31 Siso esi isigxina sokutŵala kwabo ekusebenzeni kwabo konke en-tenteni yokuhlangana: i-planga zomnquba, nemivalo yawo, nentsika zawo, neziseko zawo,
32 Nentsika zentendelezo ngenxa zonke, neziseko zazo, nezikônkwane zazo, nezintya zazo ngokwempahla yazo yonke, nangokomsebenzi wazo wonke, nizibâle ngamagama impahla zesigxina sokutŵala kwabo.
33 Nguwo lowo umsebenzi wemizalwane yonyana baka-Merari ngokomsebenzi wabo wonke en-tenteni yokuhlangana, esandleni sika-Itamare unyana ka-Aron umenzeleleli.

34 O-Moses no-Aron nezikûlu zebandla bababâla-ke onyana baka-Kehati ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,
35 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abeza kupûma umkôsi ukuba basebenze en-tenteni yokuhlangana,
36 Ababalwayo babâlwa kubo ngokwemizalwane yabo baba ngamawaka amabini anamakûlu asixênxe, anamanci mahlanu.
37 Ngabo abo ababâlwayo kwimizalwane yakwa-Kehati; bonke abo basebenzayo en-tenteni yokuhlangana, awababâlayo u-Moses no-Aron ngokomlomo ka-Yehova, ngesandla sika-Moses.

Digitized by Google

38 Ababalwayo konyana baka-Gershon ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,
39 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abeza kupûma umkôsi ukuba basebenze en-tenteni yokuhlangana,
40 Ababalwayo babâlwa kubo ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise, baba ngamawaka amabini, anamakûlu matândatû, anamanci matâtû.
41 Ngabo abo ababâlwayo kwimizalwane yonyana baka-Gershon, bonke abo basebenzayo en-tenteni yokuhlangana, awababâlayo u-Moses no-Aron ngokomlomo ka-Yehova.

42 Ababâlwayo kwimizalwane yonyana baka-Merari, ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,
43 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abeza kupûma umkôsi, ukuba basebenze en-tenteni yokuhlangana,
44 Ababalwayo babâlwa kubo ngokwemizalwane yabo baba ngamawaka amatâtû, anamakûlu mabini.
45 Ngabo abo babâlwayo kwimizalwane yonyana baka-Merari, awababalayo u-Moses no-Aron ngokomlomo ka-Yehova, ngesandla sika-Moses.

46 Bonke-ke ababalwayo, awababalayo babâlwa u-Moses no-Aron nezikûlu zakwa-Sirayeli, kuba-Levi ngokwemizalwane yabo, ngokwezindlu zoyise,
47 Betâbatêla kominyaka imashumi matâtû ezelwe, banyuse, base kominyaka imashumi mahlanu ezelwe, bonke abo baza kusebenza imisebenzi ngemisebenzi, nomsebenzi wokutwala en-tenteni yokuhlangana,
48 Ababalwayo babâlwa kubo baba ngamawaka asibôzo anamakûlu mahlanu, anamanci asibôzo,
49 Babenza bavelela ngokomlomo ka-Yehova, ngesandla sika-Moses, elowo emsebenzini wakê, nasemtwalweni wakê, nasezintweni awozivelela, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

5 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Bawisele umtêtô onyana baka-Sirayeli, babakûpê eminqubeni bonke abaneqênqa, nabo bonke ababôbôzayo, nabo bonke abazinqambî ngofileyo.
3 Oyindoda noyinkazana, nobakûpêla pândle kweminquba, bangayenzi inqambî iminquba yabo, endihleli pâkatî kwayo.
4 Benje njalo-ke onyana baka-Sirayeli, babakûpêla pândle kweminquba; njengoko u-Yehova watêtâyo ku-Moses, benje njalo onyana baka-Sirayeli.

5 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
6 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Indoda nokuba yinkazana, xa batê benza isono kwizono zonke zoluntu ngokutî bameneze ku-Yehova, yazeka ityala-ke lomipêfumlo.
7 Mabasixele isono sabo abasenzileyo, owônileyo alihambê ityala lakê ngangenani lalo, ongeze isahlulo salo sesihlanu kulo, anike lowo anetyala kuye.
8 Ukuba umntu lowo utê akabi *namzalwana* kungahlaulwa kuye ukuhlambâ ityala, ityala-elo malihlaulelwe u-Yehova, kumenzeleleli,[1] ngapândle kwenkunzi yemvu yokucamagusha, aya kucanyagushelwa ngayo.
9 Wonke umfumo wento zonke ezingcwele zonyana baka-Sirayeli, abawusondezayo kumenzeleleli, woba ngowakê.
10 Elowo into zake ezingcwele zoba zezakê; elowo into ayinike umenzeleleli, yoba yeyakê.

11 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
12 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Indoda ngendoda, xa atê umkayo wanxaxâ, wayimenezelela,
13 Kwalala enye indoda naye, kwafihlakala emehlweni endoda yakê, kwasitêla, wazenza inqambî yena, akabi nanqîna, akabanjwa;
14 Yafikelwa ngumoya wobukwele, yamkweletela umkayo, eyinqambî yena, nokuba yafikelwa ngumoya wobukwele, yamkweletela umkayo engeyiyo inqambî:
15 Indoda leyo mayimzise umkayo kumenzeleleli, iwuzise umsondezo wakê ngenxa yakê, isahlulo seshumi se-efa yomgubo we-fasi, ingagaleli oli pêzu kwawo, ingabeki ntlak' imhlope pêzu kwawo; kuba ngumnikelo wokudla wobukwele, ngumnikelo wokudla wenkumbûzo, okûmbuza ubugwenxa obo.

1 Umbingeleli, kwi-Test. entsha, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

16 Umenzeleleli womsondeza, ammisė pâmbî ko-Yehova,
17 Atâbatė umenzeleleli amanzi angcwele ngompânda, atâbatê umenzeleleli naselutûlini olusemgangatŵeni womnquba, alugalele emanzini lawo,
18 Umenzeleleli ammise-ke umfazi pâmbî ko-Yehova, amcombûlule inwele lomfazi, awubeke ezandleni zakê umnikelo wokudla wenkumbûzo, umnikelo wokudla wobukŵele lowo, abe esesandleni somenzeleleli amanzi obuŕaŕa esiqalekiso,
19 Umenzeleleli amfungise atî kumfazi, Ukuba akutânga kulale ndoda nawe, nokuba akutânga unxaxêle ebunqambîni, unendoda yakô; yiba msulwa kulamanzi obuŕaŕa esiqalekiso.
20 Ke wena, xa utê wanxaxâ, unendoda yakô, xa utê wazenza inqambî, walalwa yenye indoda engeyiyo indoda yakô;
21 Umenzeleleli womfungisa umfazi lowo isifungo sokuzishwabulela, atî umenzeleleli kumfazi, U-Yehova makakwenze isishwabulo nesitûko pâkatî kwabantu bakowenu, ngokutî u-Yehova alintshwenyise itângâ lakô, asidumbîse isisu sakô,
22 Angene lamanzi esiqalekiso embîlini wakô, akudumbîse isisu, akuntshwenyise itângâ: wotî lomfazi, Amen, amen.
23 Makazibâle ezozishwabulo umenzeleleli encwadini, azicime ngalomanzi obuŕaŕa,
24 Amseze umfazi amanzi obuŕaŕa esiqalekiso, angene kuye amanzi esiqalekiso abe bubuŕaŕa;
25 Awutâbatê umenzeleleli esandleni somfazi umnikelo wokudla wobukŵele, awutshangatshangise umnikelo wokudla pâmbî ko-Yehova, amsondeze esibingelelweni,
26 Asube umenzeleleli emnikelweni wokudla isikûmbûzo sawo, aqûmisele ngaso esibingelelweni, emveni koko amseze umfazi amanzi lawo.
27 Emsezile amanzi lawo, kotî ukuba ubezenze inqambî wayimenezela indoda yakê, angene kuye amanzi esiqalekiso abe bubuŕaŕa, sidumbê isisu sakô, lintshwenye itângâ lakê, lomfazi abe sishwabulo pâkatî kwabantu bakowabo.
28 Ke ukuba lomfazi ubengatânga azenze nqambî, uhlambûlukile yena, woba msulwa, amitê.
29 Nguwo lowo umyalelo wobukŵele bokunxaxâ komfazi enendoda yakê, wazenza inqambî;
30 Nokuba indoda itê yafikelwa ngumoya wobukŵele, yamkŵeletela umkayo, yammisa umfazi pâmbî ko-Yehova, umenzeleleli wawenza kuye wonke lomyalelo:
31 Yoba msulwa-ke indoda yakê kobobugwenxa, lomfazi abutŵale obobugwenxa bakê.

6 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Indoda nokuba yinkazana, xa itê yazibalulela esibâmbâtisweni, esibâmbâtisweni sozahlulileyo ezahlulela ku-Yehova,
3 Wozahlula e-wayinini nakwisiselo esinxilisayo, angaseli asin ya-wayin, na-asin yasiselo sinxilisayo, angaseli nancindi yazi-diliya, angadli zi-diliya zimanzi na-diliya zomileyo;
4 Yonke imihla yokuzahlula kwakê az'angadli nto yenziwoyo ngom-diliya, etâbatêla ezinkozweni ese exolweni.
5 Yonke imihla yesibâmbâtiso sokuzahlula kwakê isitshetshe masingahambî entloko yakê; ide izaliseke imihla azahlulele ku-Yehova, woba ngcwele, aziyeke inwele zentloko yake, zihlume ziyakazele.
6 Yonke imihla yokuzahlulela kwakê ku-Yehova az'angasondeli kofileyo;
7 Angazenzi nqambî ngoyise nangonina, ngomzalwana wakê, nangodade wabo ekufeni kwabo: ngokuba imbâsa yo-Tixo wakê ipêzu kwentloko yakê.
8 Yonke imihla yokuzahlula kwakê ungcwele ku-Yehova.
9 Xa kutê kwafa ubani ngakuye ngepânyazo ngesiqupê, wayenza inqambî intloko yokuzahlula kwakê, woyicêba intloko yakê ngomhla wokuhlanjululwa kwakê, ayicêbe ngomhla wesixênxe;
10 Ngomhla wesibôzo azise amahobe amabini, nokuba ngamagobo amabini amazuba, kumenzeleleli emnyango wen-tente yokuhlangana,
11 Umenzeleleli alenze elinye libe lidini lesono, elinye libe lidini elinyukayo, amcamagushele, ngokokuba wonile ngofileyo, ayingcwalise intloko yakê ngalomhla,
12 Ayahlulele ku-Yehova imihla yokuzahlula kwakê, azise imvana emnyakamnye, ibe lidini letyala; ke imihla yangapâmbîli ingabalwa, ngokuba kwaba yinqambî ukuzahlula kwakê.

13 Nguwo lo umyalelo wozahluleyo: ngemini yokuzaliseka kwemihla yokuza-

Digitized by Google

hlula kwakê woziswa emnyango wen-tente yokuhlangana,

14 Asondeze umsondezo wakê ku-Yehova, imvana emnyaka mnye egqibeleleyo ibe nye, ibe lidini elinyukayo, nemvana-zana emnyaka mnye egqibeleleyo ibe nye, ibe lidini lesono, nenkunzi yemvu egqibeleleyo ibe nye, ibe ngumbingelelo woxolo,

15 Nengobozi yemiqâtâne enge nagwele yomgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, nezonkana ezisicaba ezinge nagwele zitânjiswe i-oli, neminikelo yawo yokudla, neminikelo yawo etûlulwayo,

16 Asondeze-ke umenzeleleli pâmbî ko-Yehova, enze idini lakê lesono nedini lake elinyukayo:

17 Inkunzi yemvu ayenze umbingelelo woxolo ku-Yehova, kunye nengobozi yezonka ezinge nagwele, awenze umenzeleleli umnikelo wakê wokudla nomnikelo wakê otûlulwayo;

18 Amcêbe ozahluleyo intloko yokuzahlula kwakê emnyango wen-tente yokuhlangana, atâbatê inwele zentloko yokuzahlula kwakê, azifake emlilweni ongapântsi kombingelelo woxolo;

19 Awutâbatê umenzeleleli umkôno opêkiweyo wenkunzi yemvu, nomqâtâne onge nagwele ube mnye engobozini, nesonkana esisicaba esinge nagwele sibe sinye, azibeke ezandleni zozahluleyo, emva kokuyicêba *intloko* yokuzahlula kwakê,

20 Azitshangatshangise umenzeleleli zibe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, zingcwele ezo kumenzeleleli, kunye nencum yedini lokutshangatshangisa, kunye nomlenze womfumo; emveni koko ozahluleyo angayisela i-wayini.

21 Nguwo lowo umyalelo wozahluleyo obâmbâtîsa umsondezo wakê ku-Yehova ngenxa yokuzahlula kwakê, ngapândle koko sinokufikelela kuko isandla sakê; ngokwesibâmbâtîso sakê abesibâmbâtîsile, makenjenjalo ngokomyalelo wokuzahlula kwakê.

22 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

23 Têtâ ku-Aron nakonyana bakê, utî, lze nenje-nje ukubasikelela onyana baka-Sirayeli, nitî kubo,

24 Makakusikelele u-Yehova akugcine;

25 Makabukânyise u-Yehova ubuso bakê kuwe, akubabale;

26 Makabupâkamisele u-Yehova ubuso bakê kuwe, akunike uxolo.

27 Mabalibeke-ke igama lam pêzu konyana baka-Sirayeli, mna ndiya kubasikelela.

7 Kwatî, mini u-Moses wagqiba ukuwumisa umnquba, nokuwutâmbîsa nokuwungcwalisa wona, nempahla yawo yonke, nokusitâmbîsa nokusingcwalisa isibingelelo nempahla zaso zonke,

2 Izikûlu zakwa-Sirayeli ezizintloko zendlu zoyise, ezizizikûlu zezizwe ebezisongamela ababâlwayo, zasondeza iminikelo,

3 Zawuzisa umnikelo wazo pâmbî ko-Yehova, inqwelo ezinopâhla zantandatû, nenkomo zalishumi elinambîni: yayinqwelo kwizikûlu ezibini, yayinkomo kwisikûlu esinye; zazisondeza pâmbî komnquba.

4 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

5 Zitâbatê kuzo zibe zezokusebenza umsebenzi wen-tente yokuhlangana, uzinike aba-Levi, elowo ngokomsebenzi wakê.

6 Wazitâbatâ-ke u-Moses inqwelo nenkomo, wazinika aba-Levi.

7 Ezimbîni inqwelo nenkomo ezine wazinika onyana baka-Gershon ngokomsebenzi wabo;

8 Ezine inqwelo nenkomo ezisibôzo wazinika onyana baka-Merari ngokomsebenzi wabo, esandleni sika-Itamare unyana ka-Aron umenzeleleli.

9 Ke, onyana baka-Kehati akabanikanga nto; ngokuba umsebenzi wengcwele obupêzu kwabo, bebewutwala ngegxalaba bona.

10 Zasondeza izikûlu iminikelo yokusungulwa kwesibingelelo mini satânjiswa, zawusondeza izikûlu umnikelo wazo pâmbî kwesibingelelo.

11 Watî u-Yehova ku-Moses, Soba sinye isikûlu ngemini, soba sinye isikûlu ngemini ukusondeza umsondezo waso, ukusisungula isibingelelo.

12 Owawusondezayo umsondezo wakê ngemini yokuqala waba ngu-Nashon unyana ka-Aminadabi, wesizwe sakwa-Yuda.

13 Umsondezo wakê waba sisi-kotîle esinye se-silvere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele

Digitized by Google

ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe i-oli;

14 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide [1] *oluzi-shekele* ezilishumi, luzele siqûmiso;

15 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo keezo;

16 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

17 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Nashon unyana ka-Aminadabi.

18 Ngemini yesibini kwasondeza u-Nataniyeli unyana ka-Tsuhare, inkulu yakwa-Isakare.

19 Wasondeza umsondezo wake: waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizishekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombini zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe i-oli,

20 Lwalunye ukâmba lwe-golide oluzishekele ezilishumi, luzele siqûmiso;

21 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo keezo.

22 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

23 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Nataniyeli unyana ka-Tsuhare.

24 Ngemini yesitâtû kwasondeza inkulu yonyana baka-Zebulon, u-Eliyabi unyana ka-Helon.

25 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombini zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe ioli;

26 Lwalunye ukâmba lwegolide oluzishekele ezilishumi, luzele siqûmiso;

27 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo keezo.

28 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

29 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Eliyabi unyana ka-Helon.

30 Ngemini yesine kwasondeza inkulu yonyana baka-Ruben, u-Elitsure unyana ka-Shedeyure.

31 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zimbîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe i-oli.

32 Lwalunye ukâmba lwe-golide *oluzi-shekêle* ezilishumi luzele siqûmiso;

33 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo keezo;

34 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

35 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Elitsure unyana ka-Shedeyure.

36 Ngemini yesihlanu kwasondeza inkulu yonyana baka-Simon, u-Shelumiyeli unyana ka-Tsurishadayi.

37 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe i-oli;

38 Lwalunye ukâmba lwe-golide *oluzi-shekele* ezilishumi luzele siqûmiso;

39 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka mnye, zizezedini elinyukayo keezo;

[1] I-shekele ye-golide iyi-ponti ene-shelenti ezilishumi elinantlanu.

Digitized by Google

40 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;
41 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Shelumiyeli unyana ka-Tsurishadayi.

42 Ngemini yesitândatû kwasondeza inkulu yonyana baka-Gadi, u-Eliyasafu unyana ka-Dehuweli.
43 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo, womnikelo wokudla ugalelwe ioli;
44 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso;
45 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo kezo;
46 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;
47 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Eliyasafu unyana ka-Dehuweli.

48 Ngemini yesixênxe kwasondeza inkulu yonyana baka-Efrayim, u-Elishama unyana ka-Amihudi.
49 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silvere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla; ugalelwe ioli;
50 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso;
51 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo kezo;
52 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;
53 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Elishama unyana ka-Amihudi.

54 Ngemini yesibôzo kwasondeza inkulu yonyana baka-Manase, u-Gamaliyeli unyana ka-Pedatsure.
55 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe ioli;
56 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso;
57 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo kezo;
58 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;
59 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Gamaliyeli unyana ka-Pedatsure.

60 Ngemini yesitôba kwasondeza inkulu yonyana baka-Benyamin, u-Abidan unyana ka-Gidiyoni,
61 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe ioli;
62 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso;
63 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo kezo;
64 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;
65 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Abidan unyana ka-Gidiyoni.

66 Ngemini yeshumi kwasondeza inkulu yonyana baka-Dan, u-Ahiyezere unyana ka-Amishadayi.

Digitized by Google

67 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû e-shekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe ioli;

68 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishele* ezilishumi luzele siqûmiso;

69 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo ke-ezo;

70 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

71 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Ahiyezere unyana ka-Amishadayi.

72 Ngemini yeshumi elinanye kwasondeza inkulu yonyana baka-Ashere, u-Pagiyeli unyana ka-Okran.

73 Umsondezo wakê waba sisi-kotile esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû *eshekele* ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe ioli;

74 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso;

75 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo ke-ezo;

76 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

77 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu i-bôkwe, zantlanu imvana ezimnyaka-mnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Pagiyeli unyana ka-Okran.

78 Ngemini yeshumi elinambîni kwasondeza inkulu yonyana baka-Nafetali, u-Ahira unyana ka-Enan.

79 Umsondezo wakê waba sisi-kotîle esinye se-silivere, bulikûlu elinamanci matâtû e-shekele ubunzima baso; sasinye isitya sokutshiza se-silivere esizi-shekele ezimashumi asixênxe ngokwe-shekele yengcwele, zombîni zizele ngumgubo onengiweyo womnikelo wokudla ugalelwe i-oli,

80 Lwalunye ukâmbâ lwe-golide *oluzishekele* ezilishumi luzele siqûmiso.

81 Yanye inkunzi entsha, itôle lenkomo, yanye inkunzi yemvu, yanye imvana emnyaka-mnye, zizezedini elinyukayo ke-ezo;

82 Yanye inkunzi ye-bôkwe exônti yedini lesono;

83 Ezombingelelo woxolo zambîni inkomo, zantlanu inkunzi zezimvu, zantlanu ibôkwe, zantlanu imvana ezimnyakamnye. Nguwo lowo umsondezo ka-Ahira unyana ka-Enan.

84 Kuko oko ukusungulwa kwesibingelelo, mini satânjiswa zizikûlu zakwa-Sirayeli: zalishumi elinazibini izi-kotile zesilivere, zalishumi elinazibini izitya zokutshiza ze-silivere, zalishumi elinambini inkambâ ze-golide;

85 Salikûlu elinamanci matâtû *e-shekele* isi-kotile se-silivere sisinye, sangamashumi osixênxe *e-shekele* isitya sokutshiza sisinye; iyonke i-silivere yezompahla yaba ngamawaka amabini, anamakûlu mane ngokwe-shekele yengcwele.

86 Zaba lishumi elinambini inkambâ zegolide zizele siqûmiso, zalishumi i-shekele kukâmbâ lulunye ngokwe-shekele yengcwele; iyonke i-golide yenkambâ yaba likûlu elinamanci mabini.

87 Zizonke inkomo zedini elinyukayo zaba zinkunzi ezintsha ezilishumi elinambini, nenkunzi zezimvu zaba lishumi elinambîni, nemvana ezimnyaka-mnye zaba lishumi elinambîni, neminikelo yazo yokudla; nenkunzi ze-bôkwe ezixônti zedini lesono zaba lishumi elinambîni.

88 Zonke inkomo zombingelelo woxolo zazingamashumi omabini anane inkunzi ezintsha, nenkunzi zezimvu zaba ngamashumi omatândatû, ne-bôkwe zaba ngamashumi omatândatû, nemvana ezimnyaka-mnye zaba ngamashumi omatândatû. Kuko oko ukusungulwa kwesibingelelo emveni kokutânjiswa kwaso.

89 Ke ekungeneni kuka-Moses en-tenteni yokuhlangana, ukuba atêtê Naye, weva izwi litêtâ kuye, livela esihlalweni sokucamagusha esipêzu komkômbê wesinqîno, pâkatî kwe-kerubi zombîni; watêtâ ke yena kuye.

Digitized by Google

8 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Têtâ ku-Aron, utî kuye, Ekuzimiseni kwakô izibane, mazikânyise zibêkise pâmbîli pâmbî kwesipâtô sezibane izibane zosixênxe.
3 Wenje njalo u-Aron; wazimisa izibane zaso zabêkisa pâmbîli pâmbî kwesipâtô sezibane, njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.
4 Kuko oku ukusetyenzwa kwesipâtô; saba yi-golide ekândiweyo kwasa esikôndweni saso, kwasa ezintyantyambêni zaso, ingumkândo wona. Ngokomfuziselo, u-Yehova, awambonisa wona u-Moses, wasenje njalo isipâtô.

5 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
6 Tâbatâ aba-Levi pâkatî konyana baka-Sirayeli, ubahlambûlule.
7 Wenje nje-ke ukubahlambûlula: bafefe ngamanzi esono, bahambîse isitshetshe sokunqutûla enyameni yabo yonke, bahlambê ingubo zabo, bahlambûluke;
8 Batâbatê inkunzi entsha, itôle lenkomo, nomnikelo wayo wokudla, umgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, utâbatê eyesibini inkunzi entsha, itôle lenkomo yedini lesono,
9 Ubasondeze aba-Levi pâmbî kwen-tente yokuhlangana, ubizele ndawonye lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli,
10 Ubasondeze aba-Levi pâmbî ko-Yehova, bacinezele onyana baka-Sirayeli ngezandla zabo pêzu kwaba-Levi,
11 Abatshangatshangise u-Aron aba-Levi babe ngumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova, ovela konyana baka-Sirayeli, babe ngabokusebenza umsebenzi ka-Yehova.
12 Aba-Levi bacinezele ngezandla zabo ezintloko zenkunzi ezintsha ezo; enye uyenze idini lesono, enye idini elinyukayo ku-Yehova, ukucamagushela aba-Levi;
13 Ubamise-ke aba-Levi pâmbî ko-Aron napâmbî konyana bakê, ubatshangatshangise babe ngumtshangatshangiso ku-Yehova;
14 Ubahlule aba-Levi konyana baka-Sirayeli, babe ngabam aba-Levi;
15 Emveni koko bangene aba-Levi, basebenze en-tenteni yokuhlangana: ubahlambûlule-ke, ubatshangatshangise babe ngumtshangatshangiso.
16 Ngokuba ndibanikiwe ndabanikwa pâkatî konyana baka-Sirayeli, ndabatâbatêla kum esikûndleni sabo bonke abavula isizalo, amazibulo onke konyana baka-Sirayeli;
17 Ngokuba ngawam onke amazibulo pâkatî konyana baka-Sirayeli, ebantwini nasezinkomeni, mini ndawabetâ onke amazibulo ezweni lase-Yiputa, ndawangcwalisela kum.
18 Ndabatâbatâ aba-Levi, esikûndleni samazibulo onke, pâkatî konyana baka-Sirayeli.
19 Aba-Levi-ke ndibanike ndabanika u-Aron nonyana bakê pâkatî konyana baka-Sirayeli, ukuba basebenze umsebenzi wonyana baka-Sirayeli en-tenteni yokuhlangana, babacamagushele onyana baka-Sirayeli, ukuze kungabikô sibetô pâkatî konyana baka-Sirayeli ekusondeleni konyana baka-Sirayeli engcweleni.
20 Benza-ke o-Moses no-Aron nebandla lonke lonyana baka-Sirayeli kuba-Levi; ngako konke u-Yehova awamwisela umtêtô u-Moses ngabo aba-Levi, benje njalo kubo onyana baka-Sirayeli.
21 Bazihlamba isono aba-Levi, bahlambâ ingubo zabo; u-Aron wabatshangatshangisa bangumtshangatshangiso pâmbî ko-Yehova; u-Aron wabacamagushela ukuba bahlambûluke.
22 Emveni koko bangena aba-Levi, ukuba basebenze umsebenzi wabo en-tenteni yokuhlangana pâmbî ko-Aron napâmbî konyana bakê. Njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses ngaba-Levi, benje njalo kubo.

23 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
24 Nantsi indawo eyeyaba-Levi: betâbatêla kominyaka imashumi mabini anesihlanu ezelwe, banyuse, mabeze kupûma umkôsi woku sebenza en-tenteni yokuhlangana.
25 Betâbatêla kominyaka imashumi mahlanu ezelwe bobuya ekupûmeni umkôsi wokusebenza, bangabi sasebenza;
26 Ke masebelungiselela abazalwana babo en-tenteni yokuhlangana, ngokuti bagcine isigxina, bangasebenzi msebenzi. Uya kwenje njalo kuba-Levi ezigxineni zabo.

9 Watêtâ u-Yehova ku-Moses entlango yase-Sinayi, ngomnyaka wesibini wokupûma kwabo ezweni lase-Yiputa, ngenyanga yokuqala, esitî,

Digitized by Google

2 Onyana baka-Sirayeli mabayenze i-pasika ngexesha layo elimisiweyo.
3 Noyenza ngomhla weshumi elinesine kulonyanga, lakutshona ilanga, ngexesha layo elimisiweyo; noyenza ngokwemimiselo yayo yonke nangokwamasiko ayo onke.
4 Watêtâ-ke u-Moses konyana-baka Sirayeli, ukuba bayenze i-pasika.
5 Bayenza-ke i-pasika ngenyanga yokuqala, ngomhla weshumi elinesine, lakutshona ilanga, entlango yase-Sinayi. Njengako konke u-Yehova abemwisele umtêtô u-Moses, benje njalo onyana baka-Sirayeli.
6 Ke kwakukô amadoda awayetê azenza inqambî ngomntu ofileyo, akabi nakô ukuyenza i-pasika ngalomhla; asondela pâmbî ko-Moses napâmbî ko-Aron ngalomhla;
7 Atî lomadoda kuye, Sizinqambî ngomntu ofileyo, sivalelwa nganina, ukuba singasondezi umsondezo ka-Yehova ngexesha lawo elimisiweyo pâkatî konyana baka-Sirayeli?
8 Watî u-Moses kuwo, Yimani, kêndive ukuba u-Yehova wowisa mtêtô mnina ngani.

9 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
10 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Umntu ngomntu, xa atê wayinqambî ngofileyo mhlaumbî waseluhambêni ehambêle kude, engowakuni, nokuba ngowezizukulwana zenu, woyenza i-pasika ku-Yehova;
11 Boyenza ngenyanga yesibini, ngomhla weshumi elinesine, lakutshona ilanga, kunye nezonka ezinge nagwele, bayidle inemitâna eraŕa,
12 Bangasalisi nto kuyo kude kuse, bangapâli tâmbô layo; boyenza ngokommiselo wonke we-pasika.
13 Ke umntu lowo uhlambûlukileyo yena, ungekôna eluhambêni, etê wayeka ukuyenza i-pasika, lompefumlo wonqanyulwa ungabikô ebantwini bakowawo; ngokuba akawusondezanga umsondezo ka-Yehova ngexesha lawo elimisiweyo; lomntu wositwala isono sakê.
14 Umpâmbûkeli, xa atê wapâmbûkela kuni, woyenza i-pasika ku-Yehova; ngokommiselo we-pasika nangokwesiko layo woyenje njalo; ummiselo woba mnye kuni, nakumpâmbûkeli, nakozalelwe kulo ilizwe.

15 Ngomhla wokumiswa komnquba ilifu lawusibekela umnquba wen-tente yesinqîno; ngokuhlwa lanjengembônakalo yomlilo pêzu komnquba, kwada kwasa.
16 Kwahlala kunjalo; ilifu lawusibekela *emini*, layimbônakalo yomlilo ebusuku.
17 Bekutî linganyuka ilifu lisuke pêzu kwen-tente, emveni koko banduluke onyana baka-Sirayeli; kutî endaweni elitê zinzi kuyo ilifu, bamise in-tente kôna onyana baka-Sirayeli.
18 Ngokomlomo ka-Yehova banduluka onyana baka-Sirayeli, ngokomlomo ka-Yehova bamisa; yonke imihla elati-zinzi ngayo ilifu pêzu komnquba, bamisa.
19 Lakolula ilifu imihla emininzi lihleli pêzu komnquba, basigcina isigxina sika-Yehova onyana baka-Sirayeli, abanduluka.
20 Kwatî, lakubakô ilifu pêzu komnquba nokuba yimihla embalwa, *basigcina isigxina sika-Yehova, abanduluka*. Ngokomlomo ka-Yehova bamisa, ngokomlomo ka-Yehova banduluka.
21 Bekusitî lakubakô ilifu ngokuhlwa kude kuse, lakunyuswa-ke ilifu kwakusa, banduluke; nokuba bekusemini, nokuba bekusebusuku, lakunyuswa ilifu, banduluka.
22 Nokuba yimihla emibini, nokuba yinyanga, nokuba yimihla etîle ukolula kwelifu pêzu komnquba, ukutî-zinzi kwalo pêzu kwawo, bamisa onyana baka-Sirayeli, abanduluka; ekunyukeni kwalo-ke banduluka.
23 Ngokomlomo ka-Yehova bamisa, ngokomlomo ka-Yehova banduluka; basigcina isigxina sika-Yehova ngokomlomo ka-Yehova, ngesandla sika-Moses.

10 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî.
2 Zenzele amaxilongo e-silivere ekândiweyo abe mabini, abe ngawokubiza ibandla nokundulula iminquba.
3 Kwakuvutêlwa ixilongo kuqutshwa, lozihlanganisela kuwe lonke ibandla emnyango wen-tente yokuhlangana.
4 Ukuba kutê kwavutêlwa ixilongo kwaqutshwa ngakanye, zozihlanganisela kuwe izikûlu, intloko zamawaka akwa-Sirayeli.
5 Nakuvutêla nolule, yonduluka iminquba emise in-tente ngasempumalanga.
6 Nakuvutêla nolule okwesibini, yondu-

Digitized by Google

luka iminquba emise ngase-Zantsi; bovutêla bolule ukuba induluke.
7 Ekusibizeleni ndawonye isikůngu, novutêla niqupê, ningavutêli nolule.
8 Bovutêla ngamaxilongo onyana baka-Aron abenzeleleli, ibe ngummiselo ongunapâkade kuni kwizizukulwana zenu.
9 Xa nitê naya kulwa ezweni lenu nombandezeli onibandezelayo, navutêla ngamaxilongo nolula: nokůnjulwa pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu, nisindiswe ezintshabeni zenu.
10 Ngomhla wovuyo lwenu, nangamaxesha enu amisiweyo, nasekutŵaseni kwenyanga zenu, novutêla niqupe ngamaxilongo pêzu kwamadini enu anyukayo, napêzu kwemibingelelo yenu yoxolo, ibe sikůmbůzo senu pâmbî ko-Tîxo wenu, ndingu-Yehova u-Tîxo-wenu.

11 Kwatî ngomnyaka wesibini, ngenyanga yesibini, ngolwamashumi omabini enyangeni-leyo, lenyuswa lemka ilifu pêzu komnquba wesinqîno.
12 Banduluka-ke onyana baka-Sirayeli ngokwehambô zabo entlango yase-Sinayi; lati-zinzi ilifu entlango yase-Paran,
13 Banduluka ekuqaleni ngokomlomo ka-Yehova ngesandla sika-Moses.
14 Kuqala-ke kwanduluka i-bânile yeminquba yonŷana baka-Yuda ngokwemikôsi yabo; ingu-Nashon unyana ka-Aminadabi pêzu komkôsi wakê.
15 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Issakare ingu-Nataniyeli unyana ka-Tsuhare.
16 Pezu komkôsi wesizwe sonyana baka-Zebulon ingu-Eliyabi unyana ka-Elon.
17 Wawiswa umnquba; banduluka-ke onyana baka-Gershon nonyana baka-Merari bewutŵele umnquba.
18 Yanduluka i-bânile yeminquba yonyana baka-Ruben ngokwemikôsi yabo; pêzu komkôsi wakê ingu-Elitsure unyana ka-Shedeyure.
19 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Simon ingu-Shelumiyeli unyana ka-Tsurishadayi.
20 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Gadi ingu-Eliyasafu unyana ka-Dehuweli.
21 Anduluka ama-Kehati, etŵele ingcwele. Babesitî-ke abaya bawumise umnquba engekafiki wona.
22 Yanduluka i-bânile yeminquba yonyana baka-Efrayim ngokwemikôsi yabo; pêzu komkôsi wakê ingu-Elishama unyana ka-Amihude.
23 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana ba ka-Manase ingu-Gamaliyeli unyana ka-Pedatsure.
24 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Benyamin ingu-Abidan unyana-ka-Gidiyoni.
25 Yanduluka i-bânile yeminquba yonyana baka-Dan, umqoshelisi weminquba yonke ngokwemikôsi yayo; pêzu komkôsi wakê ingu-Ahiyezere unyana ka-Amishadayi.
26 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Ashere ingu-Pagiyeli unyana ka-Okran.
27 Pêzu komkôsi wesizwe sonyana baka-Nafetali ingu-Ahira unyana ka-Enan,
28 Kukô oko ukunduluka konyana baka-Sirayeli; banduluka-ke ngokwemikôsi yabo.

29 Watî u-Moses ku-Hobabi unyana ka-Rehuweli, um-Midiyan, uyise womka-Moses, Tîna siyanduluka siya endaweni atê u-Yehova, Ndiya kuninika yona; hambâ natî, sokwenzela okulungileyo; ngokuba u-Yehova utêtê okulungileyo ngo-Sirayeli.
30 Watî yena kuye, Andiyi kuhambâ; ndiya kuya ezweni lakowetů, kwelokuzalwa kwam.
31 Watî, Mus' ukusishiya kaloku, ngenx' enokuba nguwe owaziyo apô singalalisa kôna entlango, yiba ngamehlo etů;
32 Kotî, xa utê wahambâ natî, kotî okokulunga u-Yehova asenzela kôna, sikwenzele kôna nawe.

33 Banduluka-ke entabeni ka-Yehova uhambô lwemihla emitâtů, umkômbê womnqopiso ka-Yehova uhamba pâmbî kwabo uhambô lwemihla emitâtů, ukubahlolela indawo abangalalisa kuyo.
34 Ilifu lika-Yehova laba pêzu kwabo emini, ekundulukeni kwabo eminqubeni.

35 Bekusakutî ekundulukeni komkômbê, atî u-Moses, Vuka, Yehova, zicîtâcîtê intshaba zakô, basabe pambî kwakô abakutîyayo.
36 Kutî ekulaliseni kwawo atî, Buyela, Yehova, kumawaka amawaka akwa-Sirayeli.

Digitized by Google

11 Abantu babe njengabakâlazela ububi ezindlebeni zika-Yehova. Weva u-Yehova, wavutâ umsindo wakê, watsha umlilo ka-Yehova pâkatî kwabo, wadla esipêlweni seminquba.

2 Bakâla abantu ku-Moses; watândaza u-Moses ku-Yehova, wadambâ umlilo.

3 Watî igama lalondawo yi-Tabera:[1] ngokuba watsha umlilo ka-Yehova pâkatî kwabo.

4 Indibandiba epâkatî kwabo yakânuka ikânukile; babuya balila onyana baka-Sirayeli batî, Ngubanina oya kusinika inyama sidle.

5 Sikûmbula intlanzi ebesizidla e-Yiputa ngelizé, kwane-komkomere, ne-vatala, ne-like, namatswele, ne-kinofile.

6 Kungoku umpêfumlo wetû womile; akukô nento, yile-mana yodwa emehlweni etû.

7 I-mana-leyo ibinjengenkozo ze-koriandire, ukubonakala kwayo bekunjengokubonakala kwe-bedolaki.

8 Babesitî-sa abantu, bayibutê, bayisile ematyeni, okunye bayinqûshe ngezinqûsho, bayipêke ngembiza, benze amaqebengwana ngayo; isongo sayo saye sinjengesongo sesonkana esigalelwe i-oli;

9 Ukuhla kombetê eminqubeni ebusuku, ihle nayo i-mana kuyo.

10 Wabeva u-Moses abantu belila ngokwemizalwane yabo, elowo emnyango wen-tente yakê; wavutâ umsindo ka-Yehova kunene; kwakubi nasemehlweni ka-Moses.

11 Watî u-Moses ku-Yehova, Yinina ukuba umpâtê kakubi umkônzi wakô lo? yinina ukuba ndingababalwa nguwe, usuke uwubeke umtwalo wababantu bonke pêzu kwam?

12 Ndim-na obakâuleyo ababantu bonke? ndim-na obazeleyo ukuba utî kum, Batwale ngesifuba sakô, njengomondli etwele umntwana owanyayo, ndibase emhlabeni owawufungela oyise?

13 Ndoyizuza pîna inyama, ndibanike bonke ababantu? Ngokuba balila kum, besitî, Sinike inyama sidle.

14 Andinakô mna ukubatwala ababantu ndedwa, ngokuba kunzima oko kum.

15 Ukuba undenje njalo, seundibulala kanye; ukuba undibabale, mandingabuboni ububi bam.

16 Watî u-Yehova ku-Moses, Hlanganisela kum amadoda abe ngamashumi osixênxe kumadoda amakûlu akwa-Sirayeli, owaziyo ukuba ngamadoda amakûlu abantu, ababâli babo; uwazise en-tenteni yokuhlangana, eme kôna nawe.

17 Ndiya kuhla, nditêtê nawe kôna, ndicapûle kumoya okuwe, ndibeke kuwo, awutwale nawe umtwalo wabantu aba, ungawutwali wedwa wena;

18 Utî ebantwini, Zingcwaliseleni ingomso, nodla inyama; kuba nililile ezindlebeni zika-Yehova, nisitî, Ngubanina oya kusinika inyama sidle; ngokuba kwakumnandi kutî e-Yiputa. U-Yehova uya kuninika-ke inyama nidle.

19 Anikuyidla mhla mnye, namihla mibini, namihla mihlanu, namihla ilishumi, namihla imashumi mabini,

20 *Nodla* inyanga ipêla, ide ipûme ngempumlo zenu, ibe lubôra kuni; ngenx' enokuba nimcekisile u-Yehova opâkatî kwenu; nalila pâmbî kwakê, nisitî, Sapûmelanina e-Yiputa?

21 Watî u-Moses, Ngumqikela ongamakûlu omatândatû amawaka abantu, endipâkatî kwabo; ke utî wena, Ndiya kubanika inyama, badle inyanga ipêla.

22 Impahl' emfutshane nenkomo ziya kuxêlelwa bona-na, zibalingane? ziya kuhlanganiselwa bona-na zonke intlanzi zolwandle, zibalingane?

23 Watî u-Yehova ku-Moses, Isandla sika-Yehova sifutshane-na? Ngoku uya kubona, ukuba ilizwi lam liya kwenzeka, aliyi kwenzeka kusinina.

24 Wapûma u-Moses, wawatêtâ ebantwini amazwi ka-Yehova, wawahlanganisa amadoda amashumi osixênxe kumadoda amakûlu abantu, wawamisa asisanqâ en-tenteni.

25 Wehla u-Yehova ngelifu, watêtâ kuye, wacapûla kumoya okuye, wawubeka kumadoda amakûlu angamashumi osixênxe; kwatî, xa wahlalayo umoya pêzu kwawo, a-profeta, akapînda kodwa.

26 Kekaloku kwasala amadoda amabini eminqubeni, igama lenye lingu-Elidade, igama leyesibini lingu-Medade; wahlala umoya pêzu kwawo; aba kwababâlwayo wona, kodwa akapûmanga aye en-tenteni; a-profeta eminqubeni.

27 Kwagidima umfana, waxelela u-Moses, watî, O-Elidade no-Medade baya-profeta eminqubeni pâya.

[1] Ukutsha.

Digitized by Google

28 Wapêndula u-Yoshuwa unyana ka-Nun, umlungiseleli ka-Moses, wakwabanyuliweyo bakê, watî, Nkosi yam Moses, batintele.

29 Watî u-Moses kuye, Unekwele ngenxa yam-na? Akwaba bonke abantu baka-Yehova babe ngaba-profeti, waba u-Yehova ubeke umoya wakê kubo!

30 Wabuya u-Moses, waya eminqubeni, yena namadoda amakûlu akwa-Sirayeli.

31 Kwesuka umoya ku-Yehova, waguqula izagwityi elwandle, wazitî-sa eminqubeni, zangangohambô lwemini ngapâ, zangangohambô lwemini ngapâ, zajikeleza iminquba; zangange-kubite zombini ukupâkama pêzu komhlaba.

32 Besuka-ke abantu yonke lomini, bonke ubusuku, yonke imini yengomso, bazibutâ izagwityi; owabutâ kancinane wabutâ i-homere ezilishumi; bamana ukuzaneka bajikelezisa eminqubeni.

33 Yati inyama-leyo isesemazinyweni abo, ingekahlafunwa, wavutâ umsindo ka-Yehova kubo abantu, wababetâ u-Yehova abantu ngesibetô esikûlu kunene.

34 Kwatîwa igama lalondawo yi-Kibroti-hatahava;[1] ngokuba bancwatyelwa kôna abantu abakânukayo.

35 Banduluka abantu e-Kibrotihatahava, baya e-Hatseroti, baba se-Hatseroti.

12 Batêtâ o-Miriyam no-Aron ngo-Moses ngenxa yendawo yenkazana engum-Kushikazi abeyizekile, ngokuba wayezeke inkazana engum-Kushikazi.

2 Batî, U-Yehova utêtê ngo-Moses yedwa yinina? Akatêtanga nangati-na? Weva u-Yehova.

3 Ke indoda-le ingu-Moses ibilulamile kunene kunabantu bonke abasemhlabeni.

4 Watêtâ u-Yehova ngesiqupê ku-Moses, naku-Aron, naku-Miriyam, esitî, Pûmani nina nobatâtû, nize en-tenteni yokuhlangana; bapûma bobatâtû.

5 Wehla u-Yehova ngomqulu welifu, wema emnyango wen-tente, wabiza u-Aron no-Miriyam; bapûma bobabini.

6 Watî, Kânive amazwi am. Ukuba nitê nanom-profeti ka-Yehova, ndozazisa kuye ngombono, nditêtê kuye epûpêni.

7 Asinjalo isicaka sam u-Moses; sinyanisekile sona endlwini yam yonke.

8 Ndiya kutêtâ naso umlomo kumlomo, ngokubonakalayo, kungabi ngantsonkotâ; sisikângele sona isimilo sika-Yehova. Yinina ukuba ningoyiki ukutêtâ ngesicaka sam u-Moses?

9 Wavutâ umsindo ka-Yehova kubo, wemka yena.

10 Lemka ilifu en-tenteni; yini-le! u-Miriyam uneqênqa njengekêpu. Wabêka u-Aron ku-Miriyam, yini! uneqênqa.

11 Watî u-Aron ku-Moses, Tafu, Nkosi yam; mus' ukusibeka tyala ngesono esisenzileyo ngokumatâ, sôna ngaso.

12 Makangaseleba njengofileyo, otî ekupûmeni kwakê esizalweni sonina abe seledlekile isiqingatâ senyama yakê.

13 Wakâla u-Moses ku-Yehova, esitî, Tîxo, Ndiyakukûnga, kâumpîlise.

14 Watî u-Yehova ku-Moses, Ukuba uyise ubetshice ukutshica-oku ebusweni bakê, ubengayi kuva ihlazo-na intsuku ezisixênxe? Makavalelwe imihla ibe sixênxe ngapândle kweminquba, emveni koko amkelwe.

15 Wavalelwa-ke u-Miriyam ngapândle kweminquba imihla esixênxe. Abanduluka abantu, wada wamkelwa u-Miriyam.

16 Emveni koko banduluka abantu e-Hatseroti, bamisa entlango yase-Paran.

13 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Tûmela amadoda, aye kuhlola ilizwe lakwa-Kanan, endibanike lona onyana baka-Sirayeli. Wotûmela indoda ibe nye kwisizwe soyise, iyileyo ibe yeyinkulu kuso.

3 Wawatûma-ke u-Moses, esentlango yase-Paran, ngokomlomo ka-Yehova, onke lomadoda ezintloko zonyana baka-Sirayeli.

4 Ngawo la amagama awo: kwisizwe sakwa-Ruben ibingu-Shamuwa unyana ka-Zakure;

5 Kwisizwe sakwa-Simon ibingu-Shafati unyana ka-Hori;

6 Kwisizwe sakwa-Yuda ibingu-Kalebi unyana ka-Yefune;

7 Kwisizwe sakwa-Isakare ibingu-Igali unyana ka-Yosefu;

8 Kwisizwe sakwa-Efrayim ibingu-Hosheya unyana ka-Nun;

9 Kwisizwe sakwa-Benyamin ibingu-Palti unyana ka-Rafu;

10 Kwisizwe sakwa-Zebulon ibingu-Gadiyeli unyana ka-Sodi;

11 Kwisizwe sakwa-Yosefu, esisisizwe

[1] Amancwâba okukânuka.

Digitized by Google

sakwa-Manase ibingu-Gadi unyana ka-Susi;
12 Kwisizwe sakwa-Dan ibingu-Amiyeli unyana ka-Gemali;
13 Kwisizwe sakwa-Ashere ibingu-Seture unyana ka-Mikayeli;
14 Kwisizwe sakwa-Nafetali ibingu-Nabi unyana ka-Vofesi;
15 Kwisizwe sakwa-Gadi ibingu-Gehuweli unyana ka-Maki.
16 Ngawo lawo amagama amadoda awawatûmayo u-Moses, ukuba aye kuhlola ilizwe. U-Moses watî u-Hosheya unyana ka-Nun ngu-Yoshuwa.
17 Wawatûma-ke u-Moses, ukuba aye kuhlola ilizwe lakwa-Kanan, watî kuwo, Nyukani nina ngase-Zantsi, ngalendlela, nyukani niye entabeni,
18 Nilikângele ilizwe ukuba linjanina, nabantu abemi kulo, ukuba bomelele, bangamapâkupâku kusinina; bambalwa, baninzi kusinina;
19 Ukuba linjanina ilizwe abemi kulo, lihle libi kusinina; ukuba injanina imizi abemi kuyo, baseminqubeni, basezinqabeni kusinina;
20 Ukuba linjanina ilizwe-elo, liyacûma, alicûmi kusinina; linemitî, alinayo kusinina. Yomelelani, nize neziqâmo zelozwe. Lomihla yabi yimihla yentlahlela yediliya.
21 Enyuka-ke, alihlola ilizwe, etâbatéla entlango yase-Tsin, esa e-Rehobi, ekuyeni e-Hamati.
22 Enyuka nge-Zantsi, afika e-Hebron; babe kôna o-Ahiman, no-Sheshayi, no-Talemayi, abenzalo ka-Anaki. Ke owase-Hebron wawusewakîwe iminyaka esixênxe ingekakîwa i-Tsohan e-Yiputa.
23 Afika esihlanjeni sakwa-Eshekoli,[1] anqumla kôna isebe linesihloko se-diliya sisinye, asitwala ngesibonda emabini; nakwi-farnate nakumakîwane enje njalo,
24 Londawo kwatîwa sihlambô sakwa-Eshekoli ngenxa yesihloko-eso basinqumla kôna onyana baka-Sirayeli.
25 Abuya ekulihloleni ilizwe ekupéleni kwentsuku ezimashumi mane.
26 Eza, afika ku-Moses, naku-Aron, nakwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli entlango yase-Paran, e-Kadeshe, azisa ilizwi kubo, nakwibandla lonke, ababonisa neziqâmo zelizwe elo.
27 Abaxelela atî, Safika kwelozwe wasitûma kulo, inene linamasi nobusi; nanzi neziqâmo zalo;
28 Kodwa banamandla abantu abemi kwelozwe, imizi inqatyisiwe, imikûlu kunene; kananjalo sibone abenzalo ka-Anaki kôna.
29 Kumi ama-Amaleki ezweni lase-Zantsi; ama-Heti nama-Yebusi nama-Amori emi ezintabeni, ama-Kanan emi ngaselwandle nangecala lase-Yordan.
30 Wabazolisa u-Kalebi abantu pâmbî ko-Moses, watî, Masinyuke kwangoku, silihlute; ngokuba siya kuleyisa kakade.
31 Ke amadoda abenyuke naye atî, Asinako ukunyuka siye kwabobantu; ngokuba bomelele kunatî.
32 Ahambîsa udaba olubi ngelozwe abelihlolile konyana baka-Sirayeli, esitî, Ilizwe, esacanda kulo silihlola, lilizwe elibadlayo abemi balo; abantu bonke esababonayo kulo babe zingxilimbéla.
33 Sazibona kôna izigebenga, onyana baka-Anaki basezigebengeni; sesuka emehlweni etû saba njengemicikwane, sanjalo nasemehlweni abo.

14 Lonke ibandla lalipâkamisa, lalikûpa ilizwi lalo, balila abantu ngobobusuku.
2 Bonke onyana baka-Sirayeli babarorela o-Moses no-Aron; latî kubo lonke ibandla, Akwaba besifele ezweni lase-Yiputa! akwaba besifele nakulentlango!
3 Yinina ukuba u-Yehova asizise kwelilizwe ukuze siwe ngerele, abafazi nabantwana betu babe lixôba? Akusilungelena kanye ukuba sibuyele e-Yiputa?
4 Batshono ukutî, Masizimisele umpâtî, sibuyele e-Yiputa.
5 Bawa o-Moses no-Aron ngobuso babo pâmbî kwesikûngu sonke sebandla lonyana baka-Sirayeli.
6 U-Yoshuwa unyana ka-Nun, no-Kalebi unyana ka-Yefune, abebe kwabebelihlolile ilizwe, baziŕazula ingubo zabo;
7 Batî kwibandla lonke lonyana baka-Sirayeli, Ilizwe, esacanda kulo silihlola, lilizwe elihle kakûlu kunene.
8 Ukuba u-Yehova usinonelele, wosisa kwelozwe, asinike; lilizwe elinamasi nobusi.
9 Kodwa musan' ukugwilika ku-Yehova. musan' ukuboyika abantu belozwe nina; kuba bakukudla kwetû; umkile umtûnzi

[1] Isihloko se-diliya.

Digitized by Google

wabo kubo, u-Yehova unatî; musan' ukoyika.

10 Ke latî lonke ibandla mabaxulutywe ngamatye. Babonakala ubuqaqauli buka-Yehova en-tenteni yokuhlangana kubo bonke onyana baka-Sirayeli.

11 Wati u-Yehova ku-Moses, Kuya kude kube ninina bendigiba ababantu? kuya kude kube ninina bengakôlwa kum, kwimiqondiso yonke endiyenzileyo pâkatî kwabo?

12 Ndiya kubabetâ ngendyikitya yokufa, ndibagqogqe, wena ndikwenze uhlanga olukûlu olunamandla kunabo.

13 Watî u-Moses ku-Yehova, Ama-Yiputa avile, ukuba ubanyusile ngamandla akô ababantu pâkatî kwawo;

14 Abaxelele nokubaxelela abemi belilizwe. Bavile nabo ukuba wena Yehova upâkatî kwababantu, ubonakala iliso kwiliso, wena Yehova, nelifu lakô limi pêzu kwabo, uhambâ pâmbî kwabo emqulwini welifu emini, emqulwini womlilo ebusuku.

15 Ukuba utê wababulala ababantu njengandoda-nye, zotsho intlanga eziluvileyo udaba lwakô, ukutî,

16 Kungenx'enokuba u-Yehova ebenge nakô ukubasa abobantu ezweni abebafungele lona lento abasikele entlango.

17 Kaloku amandla e-Nkosi makabe makûlu njengoko watêtâyo wena, watî,

18 U-Yehova uzeka kade umsindo, mkûlu ngenceba, uxolela ubugwenxa nesiŕeqo, engez'amenze msulwa *onetyala*, uvelela ubugwenxa boyise konyana kwesesitâtû nakwesesine isizukulwana.

19 Buxolele, ndiyakukûnga, ubugwenxa bababantu ngokobukûlu benceba yakô, njengoko ubuxoleleyo *ubugwenxa* bababantu, utâbatêle e-Yiputa wezisa apâ.

20 Watî u-Yehova, Ndibaxolele ngokwelizwi lakô;

21 Noko ndihleli-nje, buya kuwuzalisa umhlaba wonke ubuqaqauli buka-Yehova.

22 Amadoda onke abubonileyo ubuqaqauli bam, nemiqondiso yam endayenzayo e-Yiputa nasentlango, andilingileyo ezizihlandlo zilishumi akalipûlapûla izwi lam,

23 Wona akasayi kulibona ilizwe endalifungela oyise; bonke abandigibileyo abasayi kulibona;

24 Ke sona isicaka sam u-Kalebi, ngenx'enokuba besinamoya wumbi, sakôlisa ukundilandela, ndiya kusifikisa ezweni ebesiye kulo, lihlutwe yimbêwu yaso.

25 Ke ama-Amaleki nama-Kanan ayemi entilini. Jikani ngomso, ninduluke nisinge entlango ngendlela eya e-Lwandle olubomvu.

26 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

27 Kuya kude kube ninina *ndilitŵele* elibandla lingendawo lona eli lindiŕoŕelayo? Iziŕoŕo zonyana baka-Sirayeli abandiŕoŕela ngazo ndizivile.

28 Yitî kubo, Ndihleli-nje, utsho u-Yehova, inene, njengoko nitêtîleyo ezindlebeni zam, ndiya kwenje njalo kuni.

29 Izidûmbû zenu ziya kuwa kulentlango; nabo bonke ababâlwayo kuni ngokwenani lenu lonke, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, banyuse, nina nindiŕoŕeleyo,

30 Aniyi kungena ezweni endalipâkamisela isandla sam ukuba ndinihlalise kulo, inge ngu-Kalebi unyana ka-Yefune, no-Yoshuwa unyana ka-Nun.

31 Ke usapo lwenu, ebenisitî luya kuba lixôba, ndiya kulungenisa lona, lulazi ilizwe enilicekisileyo.

32 Nina, izidûmbû zenu ziya kuwa kulentlango;

33 Onyana benu babe ngabalûsi entlango iminyaka emashumi mane, batŵale ukuhenyuza kwenu, zide zipêle izidûmbû zenu entlango.

34 Ngokwenani lemihla enalihlola ngayo ilizwe, imihla emashumi mane, umhla ube ngumnyaka, niya kubutŵala ubugwenxa benu iminyaka emashumi mane, nikwazi ukunishiya kwam.

35 Mna Yehova nditêtîle; inene lento ndiya kuyenza kwelibandla lonke lingendawo, kwaba bahlangene ngam; baya kupêla kulentlango, bafele kuyo.

36 Ke amadoda la abewatûmile u-Moses, ukuba alihlole ilizwe, aza abuya aŕoŕisa lonke ibandla ngaye ngokuhambîsa udaba olubi ngalo ilizwe,

37 Wona lomadoda abehambîse udaba olubi ngelizwe-elo, afa sibetô-eso pâmbî ko-Yehova.

38 Kwasala u-Yoshuwa unyana ka-Nun, no-Kalebi unyana ka-Yefune, kulomadoda abeye kulihlola ilizwe.

39 Wawatêtâ u-Moses lamazwi kubo bo-

Digitized by Google

nke onyana baka-Sirayeli; benza isijwili esikûlu abantu.

40 Bavuka kusasa, baya encotsheni yentaba, besitî, Sikô, siya kunyuka siye kulondawo ayitêtîleyo u-Yehova; ngokuba sonile.

41 Watî u-Moses, Yinina lento niwugqitayo umlomo ka-Yehova? Lento ayi kupûmelela.

42 Musan' ukunyuka, kuba u-Yehova akakô pâkatî kwenu, ningagxotwa zintshaba zenu.

43 Ngokuba ama-Amaleki nama-Kanan akôna pambî kwenu, niya kuwa ngeŕele; ngenxa yokuba nibuyile ekumlandeleni u-Yehova, akayi kuba nani u-Yehova.

44 Bagxalatêlana, benyuka baya encotsheni yentaba; ke, wona umkômbê womnqopiso ka-Yehova no-Moses awupûmanga pâkatî kweminquba.

45 Ehla ama-Amaleki nama-Kanan abehleli kulontaba, abaxabela, abaqôba kwasa e-Horma.

15 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Tètâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Xa nitê nafika ezweni lokuhlala kwenu endininika lona,

3 Nenza ukudla kwasemlilweni ku-Yehova, idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo wesibâmbâtîso esibalulekileyo, nokuba ngowokuqûtywa yintliziyo, nokuba ngowamaxesha enu amisiweyo, nisenza ivumbâ elitôzamisayo ku-Yehova, nitâbatâ kwinkomo, nokuba nitâbatâ kwimpahl' emfutshane:

4 Lowo uwusondezayo umsondezo wakê ku Yehova, wosondeza umnikelo wokudla osisahlulo seshumi *sê-efa* yomgubo onengiweyo ugalelwe isahlulo sesine sehin ye-oli;

5 Nesahlulo sesine se-hin ye-wayini yomnikelo otûlulwayo usenze ndawonye nedini elinyukayo; nokuba ngumbingelelo, ube ngowamvana-nye;

6 Nokuba ngowenkunzi yegusha: wowenza umnikelo wokudla ube zizahlulo ezibini zesishumi *ze-efa* yomgubo onengiweyo ugalelwe i-oli esisahlulo sesitâtû se-hin;

7 Ne-wayini yomnikelo otûlulwayo, isahlulo sesitâtû se-hin, uyisondeze ibe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova.

8 Xa utê wenza itôle lenkomo idini elinyukayo, nokuba ngumbingelelo wesibâmbâtîso esibalulekileyo, nokuba ngowoxolo ku-Yehova:

9 Wosondeza ndawonye netôle lenkomo umnikelo wokudla, ube zizahlulo ezitâtû zesishumi ze-efa yomgubo onengiweyo ugalelwe i-oli esisiqingatâ se-hin.

10 Woyisondeza ne-wayini ibe yeyomnikelo otûlulwayo, esisiqingatâ se-hin: ukudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo ku-Yehova;

11 Kwenjiwe njalo kwinkomo enye, nokuba kukwinkunzi yemvu enye, nokuba kukwitâkane legusha elinye, nele-bôkwe elinye.

12 Ngangenani enitê nalenza, niya kwenje njalo kuyo inye, kube ngangenani lazo.

13 Bonke abo bazalelwe kulondawo baya kwenje njalo kwezozinto ekusondezeni kwabo ukudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo ku-Yehova.

14 Xa atê wapâmbûkela kuni umpâmbûkeli, nokuba ngopâkatî kwenu ezizukulwaneni zenu, wenza ukudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo ku-Yehova; njengoko nenza ngako nina, uya kwenza ngako naye.

15 Ngokubêkisele kuso isikûngu, woba mnye ummiselo kuni nakumpâmbûkeli opâmbûkela kuni, ummiselo ongunapâkade kwizizukulwana zenu; njengoko ninjalo nina, woba njalo umpâmbûkeli pâmbî ko-Yehova.

16 Umyalelo woba mnye, nesiko loba linye kuni nakumpâmbûkeli opâmbûkela kuni.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

18 Tètâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Ekufikeni kwenu ezweni-elo ndinisa kulo,

19 Kotî ekudleni kwenu isonka selizwe, nifumele u-Yehova umfumo.

20 Nofuma umfumo womfayo wenu wokuqala wenziwe umqâtâne; njengomfumo wesandâ, nowenje njalo ukuwufuma.

21 Kuwo umfayo wenu wokuqala nomnika u-Yehova umfumo ezizukulwaneni zenu.

22 Xa nitê nalahleka, anayenza lemitêtô yonke ayitêtîleyo u-Yehova ku-Moses,

23 Zonke izinto u-Yehova aniwisele umtêtô ngazo ngesandla sika-Moses, kusu-

Digitized by Google

sela kumhla u-Yehova awawisa umtétô, nasemva koko ezizukulwaneni zenu;

24 Kotî, ukuba kutê kwenzeka into ngokulahleka, ingabonwa libandla, ibandla lonke lenze inkunzi entsha, itôle lenkomo, libe linye, ibe lidini elinyukayo, ibe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova, ndawonye nomnikelo walo wokudla nomnikelo walo otûlulwayo, ngokwesiko; nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe nye, ibe lidini lesono,

25 Alicamagushele umenzeleleli lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli, boxolelwake; ngokuba ibikulahleka oku; bawuzisile bona umsondezo wabo, ukudla kwasemlilweni ku-Yehova, nedini labo lesono pâmbî ko-Yehova ngenxa yokulahleka kwabo;

26 Loxolelwa-ke lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli, nompâmbûkeli opâmbûkele pâkatî kwenu: ngokuba kubahlele oku abantu bonke ngokulahleka.

27 Ukuba ubani utê wôna ngokulahleka, wosondeza i-bôkwe elitôkazi elimnyaka-mnye, ibe lidini lesono;

28 Umenzeleleli acamagushele umpêfumlo olahlekayo ngokôna kwawo, ngokulahleka kwawo pâmbî ko-Yehova, akuwûcamagushela woxolelwa-ke.

29 Kozalwayo pâkatî konyana baka-Sirayeli, nakumpâmbûkeli opâmbûkela pâkatî kwenu, woba mnye umyalelo kuni, ngokusingisele kowenza ngokulahleka.

30 Ke yena owenza ngesandla esipâkamileyo kwabazalelwe kulondawo nakubapâmbûkeli, yena uyamnyelisa u-Yehova, lompêfumlo-ke wonqanyulwa ungabikô pâkatî kwabantu bakowawo.

31 Ngokuba ulidelile ilizwi lika-Yehova, uwapûle nomyalelo wakê; lompêfumlo wonqanyulwa kanye, ubugwenxa bupêzu kwawo.

32 Kwati onyana baka-Sirayeli besentlango; bafumana umntu etêza inkuni ngomhla we-sabatâ.

33 Abo bamfumanayo etêza inkuni, bamsondeza ku-Moses naku-Aron nakwibandla lonke;

34 Bamfaka elugcinweni, kuba bekungekamiswa okuya kwenziwa kuye.

35 Watî u-Yehova ku-Moses, Makabulawe afe lomntu, limxulub' ibandla lonke ngamatye, ngapândle kweminquba.

36 Lonke ibandla lamkûpêla ngapândle kweminquba, lamxuluba-ke ngamatye. Wafa, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

37 Watî u-Yehova ku-Moses,

38 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, mabenze intshinga emasondweni engubo zabo, kwizizukulwana zabo, bafake entshingeni yesondo intsontelo ebala limsi;

39 Ibe yintshinga kuni; nitî, nakuyibona, niyikûmbûle yonke imitêtô ka-Yehova, niyenze, ningabâduli nilandele intliziyo yenu, namehlo enu, ebenihenyuza ngokulandela wona;

40 Ukuze niyikûmbûle niyenze yonke imitêtô yam, nibe ngcwele ku-Tîxo wenu.

41 Ndingu-Yehova u-Tîxo wenu, onikûpileyo ezweni lase-Yiputa, ukuba ndibe ngu-Tîxo kuni; ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

16 Kekaloku u-Kora unyana ka-Itsare, unyana ka-Kehati, unyana ka-Levi, no-Datan no-Abiram onyana baka-Eliyabi, no-On unyana ka-Pelete, onyana baka-Ruben,

2 Batâbatâ amadoda angamakûlu amabini, anamanci mahlanu, akonyana baka-Sirayeli, izikûlu zebandla ezanyulwa yintlanganiso, amadoda anodumo, bavukelana no-Moses.

3 Babizelana ndawonye ngo-Moses nango-Aron, batî kubo, Senanele nina, ngokuba lingcwele lonke ibandla, bonke bepêla, u-Yehova upâkatî kwabo; yinina ukuba nizipâkamise pêzu kwesikûngu sika-Yehova?

4 Weva u-Moses, wawa ngobuso.

5 Watêtâ ku-Kora nakwibandla lakê lonke, esitî, Ngomso u-Yehova uya kwazisa ongowakê, ongcwele, amsondeze kuye, lowo amnyulileyo womsondeza kuye.

6 Yenzani oku: zitâbatêleni ingcedevu, wena Kora nebandla lako lonke,

7 Nibeke umlilo kuzo, nibeke isiqûmiso pêzu kwazo pâmbî ko-Yehova ngomso; kotî, umntu atê u-Yehova wamnyula, abe ngcwele yena; senanele nina, bonyana baka-Levi.

8 Watî u-Moses ku-Kora, Kânive, nina bonyana baka-Levi.

9 Yinto encinane-na kuni, ukuba u-Tîxo ka-Sirayeli anahlule kwibandla lakwa-Sirayeli, anisondeze kuye, ukuba nisebenze

Digitized by Google

umsebenzi womnquba ka-Yehova, nime pâmbî kwebandla, nilungiselele kubo;

10 Ekusondezile-nje wena nabazalwana bakô bonke, onyana baka-Levi ndawo-nye nawe; nifuna kwa nobenzeleleli-na?

11 Ninani-na, wena nebandla lakô lonke lento nihlangana ngo-Yehova? ke u-Aron uyinto-nina yena, ukuba nimrorele?

12 Watûma u-Moses, wabiza u-Datan no-Abiram onyana baka-Eliyabi. Batî, Asiyi kunyuka size.

13 Yinto encinane-na le yokuba usinyuse ezweni elinamasi nobusi, uze kusibulala apâ entlango, lento uhlala uzenze umtêtêli pêzu kwetû?

14 Kananjalo akusingenisanga ezweni elinamasi nobusi, akusinikanga lifa lamasimi nezi-diliya; uya kuwarura-na amehlo alamadoda? Asiyi kunyuka size.

15 Wavutâ kunene umsindo ka-Moses, watî ku-Yehova, Mus' ukuwubêka umnikelo wabo wokudla. Anditâbatânga neesile elinye kubo, andipâtânga kakubi namnye wabo.

16 Watî u-Moses ku-Kora, Wena nebandla lakô lonke, zenibe pâmbî ko-Yehova, wena nabo no-Aron, ngomso;

17 Nitâbatê elowo ugcedevu lwakê, nibeke isiqûmiso pêzu kwazo, nisondeze pâmbî ko-Yehova, elowo abe nogcedevu lwakê, ingcedevu ezimakûlu mabini anamanci mahlanu; nawe no-Aron elowo abe nogcedevu lwakê.

18 Batâbatâ-ke elowo ugcedevu lwakê, babeka umlilo kuzo, babeka isiqûmiso pêzu kwazo, bema emnyango wen-tente yokuhlangana no-Moses no-Aron,

19 U-Kora walibizela ndawonye ngabo ibandla lonke emnyango wen-tente yokuhlangana. Babonakala ubuqaqauli buka-Yehova kwibandla lonke.

20 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

21 Zahluleni kwelibandla; ndiya kubagqibela ngepânyazo.

22 Bawa ngobuso, batî, Tîxo, Tîxo womoya benyama yonke, kône umntu wamnye-nje, unobufalafume kwibandla lonke-na?

23 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

24 Têtâ kwibandla, utî, Sukani nimke ngenxa zonke emzini ka-Kora no-Datan no-Abiram.

25 Wesuka u-Moses, waya ku-Datan no-Abiram; amlandela amadoda amakûlu akwa -Sirayeli.

26 Watêtâ kwibandla esitî, Mkani ezintenteni zalamadoda angendawo, ningacûkumisi nto iyeyawo, hleze nipêtshetwe ngezono zawo zonke.

27 Benyuka-ke, bemka emzini ka-Kora no-Datan no-Abiram ngenxa zonke. O-Datan no-Abiram bema emnyango wentente zabo, nabafazi babo, nonyana babo, nentsatshana zabo.

28 Watî-u-Moses, Niya kwazi ngalento, ukuba u-Yehova unditûmele ukwenza yonke lemisebenzi; ngokuba asiyantliziyo yam.

29 Ukuba aba batê bafa ngokufa kwabantu bonke, nokuba batê bavelelwa ngokuvelelwa kwabantu bonke, woba u-Yehova akanditûmanga.

30 Ke ukuba u-Yehova utê wenza isimanga, umhlaba wakamisa umlomo wawo, wabaginya, nento yonke abanayo, behla besapîlile baya e-hadesi,[1] noqonda ngoko ukuba lamadoda amgibile u-Yehova.

31 Kwatî, ukugqiba kwakê ukuwatêtâ onke lamazwi, wacandeka umhlaba obupântsi kwabo;

32 Umhlaba wawuvula umlomo wawo, wabaginya nendlu zabo, nabantu bonke baka-Kora nempahla yabo yonke.

33 Behla bona besapîlile, nento yonke abanayo, baya kwelabafileyo umhlaba wababingcela, batshabalala ababikô pâkati kwesikûngu.

34 Onke ama-Sirayeli abebangqongile abalekiswa sisitônga sesikâlo sabo; ngokuba abesitî, Hleze umhlaba usiginye natî.

35 Kwapûma umlilo ku-Yehova, wawadla amadoda angamakûlu amabini, anamanci mahlanu, asondeza isiqûmiso.

36 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

37 Yitsho ku-Elazare unyana ka-Aron umenzeleleli,* azicôle ingcedevu eluvundwini, wena uwucitâcitêle kude umlilo, ngokuba zingcwele.

38 Ingcedevu zabo bonayo ngakwimipêfumlo yabo, nizenze izixwexwe ezicekêtêkileyo zokwaleka isibingelelo; ngokuba bazisondeza pâmbî ko-Yehova zangcwaliswa; zoba ngumqondiso konyana baka-Sirayeli.

[1] Intlalo yabafileyo.

Digitized by Google

39 Wazitâbatâ-ke u-Elazare umenzeleleli ingcedevu zobêdu, ababezisondezile abo batshiswayo, zakândwa, zaba zezokwaleka isibingelelo,

40 Yaba sikumbûzo eso konyana baka-Sirayeli, ukuze kungasondeli ndoda yasemzini, ingengowembêwu ka-Aron, iqûmisele ngesiqûmiso pâmbî ko-Yehova, ukuze ingabi njengo-Kora nanjengebandla lakê, njengoko u-Yehova watêtâyo kuye ngo-Moses.

41 Lamřořela u-Moses no-Aron ngengomso lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli, lisitî, Nina nibabulele abantu baka-Yehova.

42 Kwatî ekubizelweni ndawonye kwebandla ngo-Moses nango-Aron, babêka ententeni yokuhlangana, nalo ilifu liyisibekele, babonakala ubuqaqauli buka-Yehova.

43 Beza o-Moses no-Aron pâmbî kwentente yokuhlangana.

44 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

45 Sukani pâkatî kwelibandla, ndiligqibele ngepânyazo. Bawa ngobuso.

46 Watî u-Moses ku-Aron, Lutâbatê ugcedevu, ubeke umlilo pêzu kwalo ovela esibingelelweni, ubeke isiqûmiso, ukâuleze uye ebandleni, ubacamagushele; kuba kupûme ubuřalařume ebusweni buka-Yehova, siqalile isibetô.

47 Watâbatâ-ke u-Aron njengoko u-Moses watêtâyo, wabalekela pâkatî kwesikûngu; naso isibetô siqalile ebantwini; wabeka isiqûmiso, wabacamagushela abantu.

48 Wema pâkatî kwabafileyo nabahleliyo; satîntelwa-ke isibetô.

49 Abo bafayo sibetô baba lishumi elinesine lamawaka, anamakûlu asixênxe, ngapândle kwabafayo ngendawo yakwa-Kora.

50 Wabuyela u-Aron ku-Moses emnyango wen-tente yokuhlangana; isibetô satîntelwa-ke.

17 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utâbatê kubo intonga: intonga ngokwendlu yoyise, kwinkulu zabo zonke ngokwezindlu zoyise, intonga ezilishumi elinambîni, ubâle igama lalowo nalowo entongeni yakê.

3 Wobâla igama lika-Aron entongeni yakwa-Levi; kuba yoba-nye intonga yentloko yendlu yoyise;

4 Uzibeke en-tenteni yokuhlangana pâmbî kwesinqîno, apô ndihlangana nani kôna;

5 Kotî indoda endinyule yona, intonga yayo idubule, ndikupêlise pâmbî kwam ukuřořa konyana baka-Sirayeli, ababeniřořela ngako.

6 Watêtâ-ke u-Moses konyana baka-Sirayeli; zonke inkulu zabo zamnika intonga nganye, intonga yanye kwinkulu, ngokwezindlu zoyise, zalishumi elinambîni intonga; intonga ka-Aron yabipâkatî kwentonga zazo.

7 Wazibeka u-Moses intonga pâmbî ko-Yehova en-tenteni yesinqîno.

8 Kwatî ngengomso, wangena u-Moses en-tenteni yesinqîno, nantso intonga ka-Aron, wendlu ka-Levi idubule yapûma amatûpâ, yatyatyambâ intyantyambô, yavutwa i-amangile.

9 Wapûma u-Moses nentonga zonke, evela ku-Yehova, weza nazo konyana bonke baka-Sirayeli; bakângela, batâbatâ elowo intonga yakê.

10 Watî u-Yehova ku-Moses, Yibuyisele intonga ka-Aron pâmbî kwesinqîno, igcinwe ukuba ibe ngumqondiso kwaba nenkani, ukupêlise ukuřořa kwabo pâmbî kwam, bangafi.

11 Wenza-ke u-Moses; njengoko u-Yehova abemwisele umtêtô, wenje njalo.

12 Batêtâ onyana baka-Sirayeli ku-Moses, batî, Yabona, siyabûbâ, siyapêla, siyapêla sonke.

13 Bonke abasondelayo, abasondela emnqubeni ka-Yehova, baya kufa; siya kubûbâ sigqibele-na?

18 Watî u-Yehova ku-Aron, Wena nonyana bakô, nendlu kayihlo ndawo-nye nawe, nobutwala ubugwenxa obenziwe kwindawo engcwele; wena nonyana bakô ndawo-nye nawe nobutwala ubugwenxa bobenzeleleli benu.

2 Kananjalo abazalwana bakô, isizwe sakwa-Levi, isizwe sikayihlo wobasondeza nawe, banamatêle kuwe, balungiselele wena; wena-ke nonyana bakô ndawonye nawe pâmbî kwen-tente yesinqîno;

3 Bagcine isigxina sakô nesigxina sentente yonke; kodwa empahleni yengcwele

Digitized by Google

nasesibingelelweni mabangasondeli, ukuze bangafi bona aba kwa nami.

4 Bonamatèla kuwe, bagcine isigxina sen-tente yokuhlangana emsebenzini wonke wayo in-tente; ke owasemzini aze angasondeli kuni.

5 Nigcine isigxina sengcwele nesigxina sesibingelelo, kungabuyi kubekô bufalafume pèzu konyana baka-Sirayeli.

6 Mna-ke, yabona, ndibatâbatîle abazalwana benu aba-Levi pâkatî konyana baka-Sirayeli, nibanikiwe bangumnikelo ku-Yehova wokusebenza umsebenzi wen-tente yokuhlangana.

7 Ke wena nonyana bakô ndawo-nye nawe, nobugcina ubenzeleleli benu entweni zonke zesibingelelo, nangapâya komahlulo, nisebenze umsebenzi; ndininika ubenzeleleli ukuba bube ngumsebenzi eniwunikiweyo. Owasemzini osondelayo uya kubulawa.

8 Watêtâ u-Yehova ku-Aron, esitî, Yabona, mna ndikunika isigxina semifumo yam, ezintweni zonke ezingcwele zonyana baka-Sirayeli, ndisinika wena nonyana bakô sibe ngumxésho, sibe ngummiselo ongunapâkade.

9 Yilé into eyoba yeyakô ezintweni eziyingcwele kangcwele, ekudleni kwasemlilweni: yonke imisondezo yabo, eminikelweni yabo yokudla, nasemadinini abo onke esono, nasemadinini abo onke etyala, abayibuyisela kum, yoba zinto eziyingcwele kangcwele kuwe nakonyana bakô.

10 Nozidla engcweleni kangcwele; yonke into eyindoda yozidla; zoba ngcwele kuwe.

11 Yilé into eyoba yeyakô: umfumo wesipô sabo emitshangatshangisweni yonke yonyana baka-Sirayeli ndiwunika wena, nonyana bakô, nentombî zakô ndawonye nawe, ube ngummiselo ongunapâkade; bonke abahlambûlukileyo endlwini yakô bowudla.

12 Konke ukutyeba kwe-oli, konke ukutyeba kwe-wayini entsha nokwengôlwa, ulibo lwezonto baya kuzinika u-Yehova, ndikunika lona.

13 Intlahlela zento zonke ezisezweni labo, abazizisa ku-Yehova, zoba zezakô; bonke abahlambûlukileyo endlwini yakô bozidla.

14 Zonke izinto ezisingelwe pântsi kwa-Sirayeli zoba zezakô.

15 Zonke izinto ezivula isizalo kwinyama yonke, abaya kuzisondeza ku-Yehova, ebantwini nasezinkomeni, zoba zezakô; kodwa wona amazibulo abantu wowakûlula ngokuwamisela; amazibulo ezinto ezizitô zine ezizinqambî wowakûlula ngokuwamisela.

16 Ukukûlulwa komntu-ke womkûlula ngokummisela, utâbatèla kumntwana onyanga-nye, ngokulinganisela kwakô i-silivere ye-shekele ezintlanu ngokwe-shekele yengcwele, ezi-gera ezimashumi mabini.

17 Kodwa amazibulo enkomo, namazibulo ezimvu, namazibulo e-bôkwe akuyi kuwakûlula ngokuwamisela, angcwele wona; igazi lawo wolitshiza esibingelelweni. uqûmisele ngamanqatâ awo: kukudla kwasemlilweni-ke oko, livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova.

18 Inyama yawo yoba yeyakô; njengencum yomtshangatshangiso nanjengomlenze wasekunene, yoba yeyakô.

19 Yonke imifumo engcwele, abayifumela u-Yehova onyana baka-Sirayeli, ndiyinika wena, nonyana bakô, nentombî zakô ndawo-nye nawe, ibe ngummiselo ongunapâkade: ingumnqopiso wetyuwa ongunapâkade pâmbî ko-Yehova, kuwe nakwimbéwu yakô ndawo-nye nawe.

20 Watî u-Yehova ku-Aron, Ezweni labo akuyi kuba nalifa, akuyi kuba nasabelo pâkatî kwabo; ndisisabelo sakô nelifa lakô pâkatî konyana baka-Sirayeli.

21 Uyabona, onyana baka-Levi ndibanika zonke izishumi kwa-Sirayeli, ukuba zibe lilifa ngenxa yomsebenzi wabo abasebenza wona, umsebenzi wen-tente yokuhlangana;

22 Bangapindi onyana baka-Sirayeli basondele en-tenteni yokuhlangana, hlèze batŵale isono bafe.

23 Ke bona aba-Levi bosebenza umsebenzi wen-tente yokuhlangana, babutŵale ubugwenxa babo: ngummiselo ongunapâkade ezizukulwaneni zenu; abayi kuba nalifa pâkatî konyana baka-Sirayeli.

24 Ngokuba isishumi sonyana baka-Sirayeli, abasifumela u-Yehova umfumo, ndisinika aba-Levi sibe lilifa; ngenxa yoko nditê kubo, Mabangabi nalifa pâkatî konyana baka-Sirayeli.

25 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

26 Têtâ kuba-Levi, utî kubo, Xa nité

Digitized by Google

nasitâbatâ konyana baka-Sirayeli isishumi, endininika sona, esipûma kubo sililifa lenu, nofuma ngaso umfumo ka-Yehova, ngesishumi sesishumi.

27 Wotî umfumo wenu ubalelwe kuni uyinqôlowa yasesandéni, uyinzaliseko yasesixovulelweni.

28 Ngokunjalo nani nofuma umfumo ka-Yehova ngezishumi zenu zonke enizitâbatâyo konyana baka-Sirayeli, nimnike u-Aron umenzeleleli kuzo umfumo ka-Yehova.

29 Eminikelweni yonke eniyinikiweyo nofuma imifumo yonke ka-Yehova, ekutyebeni kwayo konke *nofuma* into yakê eyingcwele ivela kuyo.

30 Utî-ke kubo, Ekufumeni kwenu ukutyeba kwayo, kobalelwa kuba-Levi ilungeniselo lwesandá, ilungeniselo lwesixovulelo;

31 Nikudle oko ezindaweni zonke, nina nezindlu zenu; kuba ngumvuzo wenu ngenxa yomsebenzi wenu en-tenteni yokuhlangana.

32 Anisokuzitwâlisa zono ngenxa yoko ekufumeni kwenu ukutyeba kwayo okukuyo; anisokuzihlambêla into ezingcwele zonyana baka-Sirayeli, anisokufa.

19 Watétâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron, esitî,

2 Nguwo lo ummiselo womyalelo awumisileyo u-Yehova, esitî, Tétâ konyana baka-Sirayeli, bakuzisele itôkazi elibomvu eligqibeleleyo elinge nasipâko, ekungabekwanga dyokwê kulo,

3 Nilinike u-Elazare umenzeleleli, alise ngapândle kweminquba, lixêlelwe pâmbî kwakê;

4 Acapûle u-Elazare umenzeleleli egazini lalo ngomnwe wakê, alifefe ngapâmbîli en-tenteni yokuhlangana izihlandlo ezisixénxe;

5 Litshiswe itôkazi pâmbî kwakê, sitshiswe isikûmbâ salo, nenyama yalo, negazi lalo, ndawonye nomswane walo;

6 Umenzeleleli atâbatê um-sedare ne-hisopê, nosinga olubomvu, azipôse ezonto pakatî kokutsha kwetôkazi;

7 Ahlambê ingubo zakê umenzeleleli, ahlambê umzimbâ wakê ngamanzi, angene emveni koko eminqubeni, abe yinqambî umenzeleleli kude kuhlwe;

8 Lowo ulitshisileyo azihlambê ingubo zakê ngamanzi, ahlambe umzimbâ ngamanzi, abe yinqambî kude kuhlwe;

9 Indoda ehlambûlukileyo iluwole utûtû lwetôkazi, ilubeke ngapândle kweminquba endaweni emhlopê, lugcinelwe ibandla lonyana baka-Sirayeli, lube lolwamanzi okuhlamb'ukuncôla: lidini lesono eli.

10 Oluwolayo utûtû lwetôkazi wozihlambâ ingubo zakê, abe yinqambî kude kuhlwe; kube ngummiselo ongunapâkade konyana baka-Sirayeli, nakowolunye uhlanga opâmbûkele pâkatî kwabo.

11 Ocûkumisa ofileyo kuzo izidûmbû zabantu, woba yinqambî intsuku ezisixénxe,

12 Wotî ngomhla wesitâtû nangomhla wesixénxe azihlambûlule isono ahlambûluleke-ke; ukuba-ke akatânga azihlambûlule isono ngomhla wesitatu nangomhla wesixénxe, akayi kuba uhlambûlukile.

13 Bonke abo bacûkumisa ofileyo, isidûmbû somntu, bangazihlambûluli isono, bawenza inqambî umnquba ka-Yehova, wonqunyulwa ungabikô kwa-Sirayeli lompêfumlo; ngokuba engatshizwanga ngamanzi okuhlamb' ukuncôla pêzu kwakê, woba yinqambî; ubunqambî bakê busekuye.

14 Nguwo lo umyalelo xa atê umntu wafela en-tenteni: bonke abo bangena en-tenteni, nabo bonke abasukuba besesen-tenteni boba zinqambî intsuku ezisixénxe.

15 Zonke izitya ezivulekileyo, ezinge nasiciko sibotshiweyo, zizinqambî.

16 Bonke abasukuba bemcûkumisa emapândleni obulewe ngefele, nokuba ngofele kôna, nokuba litâmbô lomntu, nokuba lincwaba; bona boba zinqambî intsuku ezisixénxe.

17 Bomcapûlela oyinqambî elutûtwini lokutsha kwedini lesono, kubekwe pêzu kwalo amanzi apllileyo ngesitya;

18 Indoda ehlambûlukileyo itâbatê i-hisopê, iviti nxu emanzini, ifefe in-tente, nempâhla zonke, nabantu ababe kuyo, nalowo ucûkumise itâmbô, nobuleweyo, nofileyo, nokuba-ke kusencwabeni;

19 Afefe ohlambûlukileyo koyinqambî ngomhla wesitâtû nangomhla wesixénxe, amhlambûlule-ke isono ngomhla wesixénxe, azihlambê ingubo zakê, ahlambê umzimbâ ngamanzi, wohlambûluka-ke ngokuhlwa.

20 Ke umntu osukuba eyinqambî angazihlambûluli isono, lompêfumlo mawunqunyulwe pâkatî kwesikûngu; ngokuba uyenze inqambî ingcwele ka-Yehova, aka-

Digitized by Google

tshizwa ngamanzi okuhlamb'ukuncôla; uyinqambî.

21 Woba ngummiselo ongunapâkade kubo: okokuba ofefa ngamanzi okuhlamb' ukuncôla azihlambê ingubo zakê, nalowo ucûkumisa amanzi okuhlamb' ukuncôla woba yinqambi kude kuhlwe.

22 Yonke into asukuba eyicûkumisa oyinqambî yoba yinqambî; nompêfumlo omcûkumisayo woba yinqambî kude kuhlwe.

20 Bafika onyana baka-Sirayeli, lonke ibandla, entlango yase-Tsin ngenyanga yokuqala; bahlala abantu e-Kadeshe. Wafela kôna u-Miriyam, wancwatyelwa kôna.

2 Lalinge namazi ibandla; babizelana ndawo-nye ngo-Moses nango-Aron,

3 Babambâna abantu no-Moses, batî, Akwaba sibe sipûme umpêfumlo oko abazalwana betû bapûma umpêfumlo pâmbî ko-Yehova!

4 Yinina ukuba nisingenise isikûngu sika-Yehova kulentlango, sifele kuyo, tîna nenkomo zetu?

5 Yinina ukuba nisinyuse e-Yiputa, nisizise kulendawo imbî kangaka? asindawo yambéwu, namakiwane, nami-diliya, nazifarnate, tu namanzi okusela!

6 Besuka o-Moses no-Aron ebusweni besikûngu, baya emnyango wen-tente yokuhlangana, bawa ngobuso; babonakala ubuqaqauli buka-Yehova kubo.

7 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

8 Yitâbatê intonga, ulibizele ndawonye ibandla, wena no-Aron umkûluwa wakô, nitêtê engxondofeni pâmbî kwabo, inike amanzi ayo, ubakûpêle amanzi engxondofeni apô, uliseze ibandla nenkomo zalo.

9 Wayitâbatâ-ke u-Moses intonga ebusweni buka-Yehova, njengoko wawiswayo umtêtô.

10 Wasibizela ndawonye u-Moses no-Aron isikûngu pâmbî kwengxondofa-leyo, watî kubo, Kânive nina banenkani, sinikûpêle amanzi kulengxondofa-na?

11 Wasipâkamisa u-Moses isandla sakê, wayibetâ ingxondofa ngentonga yakê izihlandlo zazibini; apûma amanzi amaninzi, lasela ibandla nenkomo zalo.

12 Watî u-Yehova ku-Moses naku-Aron, Ngokokuba ningakôlwanga kum, ukuba nindingcwalise emehlweni onyana baka-Sirayeli, ngoko aniyi kusingenisa esisikûngu ezweni endibanika lona.

13 Ngawo lawo amanzi embâmbâno, ababambâna ngawo onyana baka-Sirayeli no-Yehova, waza wazingcwalisela bona.

14 U-Moses wasusa izigidimi e-Kadeshe, zaya kutî kukumkani wakwa-Edom, Utsho umzalwana wakô u-Sirayeli ukutî, Wena uyakwazi konke ukuxâmleka esafumanana nako:

15 Behla obawo, baya e-Yiputa, sahlala e-Yiputa imihla emininzi, asipâtâ kakubi ama-Yiputa, tîna nobawo betû;

16 Sakâla ku-Yehova, waliva ilizwi letû; watûma isitûnywa, sasikûpâ e-Yiputa, nanku-ke sise-Kadeshe, umzi osekupêleni komda wakô.

17 Makê sicande ezweni lakô; asikucanda masimini nasezi-diliyeni, asiyi kusela manzi amaqula; sohambâ ngomendo wenkosi, asiyi kutî-gubucala siye ekunene nasekôhlo, side sicande emdeni wakô.

18 Watî u-Edom kuye, Uz'ungacandi kum, hleze ndipûme ndinefele, ndikuhlangabeze.

19 Batî onyana baka-Sirayeli kuye, Sonyuka ngomendo; ukuba sitê sasela amanzi akô mna nemfuyo yam, ndokuhlaulela; akukô nto, ndocanda-nje kodwa ndihambâ ngenyawo.

20 Wati, Uz'ungacandi. Watsho wapûma u-Edom, wamhlangabeza enento eninzi yabantu, enesandla esitê-nqi.

21 Wala u-Edom ukumvumela u-Sirayeli ukuba acande emdeni wakê; wajika-ke u-Sirayeli, wemka kuye.

22 Banduluka e-Kadeshe; beza onyana baka-Sirayeli, ibandla lonke entabeni ye-Hore.

23 Watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Aron entabeni ye-Hore, emdeni welizwe lakwa-Edom, watî,

24 U-Aron makahlanganiselwe kwabakowabo; ngokuba akayi kungena ezweni endilinika onyana baka-Sirayeli, ngenxa yokuba nawupîkisayo umlomo wam emanzini embâmbâno.

25 Tâbatâ u-Aron no-Elazare unyana wakê, ubanyuse entabeni ye-Hore,

26 Umhlube u-Aron ingubo zakê, uzambâtîse u-Elazare unyana wakê. U-Aron wohlanganiselwa *kwabakowabo*, afele kôna.

Digitized by Google

27 Wenza u-Moses njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô; benyuka entabeni ye-Hore pambi kwebandla lonke.
28 U-Moses wamhluba u-Aron ingubo zakê, wazambâtîsa u-Elazare unyana wakê; wafela kôna u-Aron encotsheni yentaba. Wehla u-Moses no-Elazare entabeni.
29 Lakubona lonke ibandla ukuba u-Aron upûme umpêfumlo, bamlilela u-Aron imihla emashumi matâtû, yonke indlu yakwa-Sirayeli.

21 Weva um-Kanan, ukumkani wase-Aradi, obehleli kwelase-Zantsi, ukuba ayeza ama-Sirayeli ngendlela yentlola, walwa nama-Sirayeli, watîmbâ abantu kuwo.
2 Abâmbâtîsa ama-Sirayeli isibâmbâtîso ku-Yehova, atî, Ukuba utê wabanikela inene ababantu esandleni sam, ndoyisingela pântsi imizi yabo.
3 Waliva u-Yehova ilizwi lama-Sirayeli, wamnikela um-Kanane lowo kuwo, wasingelwa pântsi nemizi yakê. Kwatîwa iguma lalondawo yi-Horma.[1]

4 Banduluka entabeni ye-Hore ngendlela yo-Lwandle olubomvu, ukuba bajikele ilizwe lakwa Edom, bakatâzeka abantu endleleni.
5 Bateta abantu ngo-Tîxo nango-Moses, *batî*, Yinina ukuba nisinyuse e-Yiputa, size kufela entlango? ngokuba tu isonka, tu namanzi, umpêfumlo wetû uŕuqukile sesisonka sinkatshunkatshu.
6 U-Yehova watûma inyoka ezinobuhlungu ebantwini, zabaluma abantu; kwafa abantu abaninzi bakwa-Sirayeli.
7 Beza abantu ku-Moses, batî, Sonile, ngokuba sitêtê ngo-Yehova nangawe; tândaza ku-Yehova, azisuse kutî inyoka-ezo; wabatândazela-ke u-Moses abantu.
8 Watî u-Yehova ku-Moses, Zenzele inyoka enobuhlungu, uyixôme esibondeni eside; kotî, bonke abo balunyiweyo, bakukângela kuyo, bapîle.
9 Wenza-ke u-Moses inyoka yobêdu, wayixôma esibondeni eside; kwatî, yakuba itê inyoka yaluma umntu, waza wabêka enyokeni yobêdu, wapîla.
10 Banduluka onyana baka-Sirayeli, baya bamisa in-tente e-Oboti.

[1] Ukusingela-pântsi.

11 Banduluka e-Oboti, baya bamisa e-Iye-abarim, entlango epâmbî kwelakwa-Mowabi ngasekupûmeni kwelanga.
12 Banduluka kôna, baya bamisa esihlanjeni sase-Zerede.
13 Banduluka kôna, baya bamisa pêsheya kwe-Arnon, esentlango, epûma emdeni wama-Amori; kuba i-Arnon ngumda wakwa-Mowabi, opâkatî kwama-Mowabi nama-Amori.
14 Ngenxa yoko kutîwa encwadini yemfazwe zika-Yehova,
I-Vahebi *wayitâbatâ* esiza ngesaqŵiti,
Nezibâxa zase-Arnon,
15 Namatâmbêka ezibâxa,
Olukela ekâya lase-Ai,
Ayame umda wakwa-Mowabi.
16 *Banduluka* kôna, baya e-Bere, elo leloqula watî ngalo u-Yehova ku-Moses, Hlanganisa abantu, ndibanike amanzi.

17 Oko ahlaba ama-Sirayeli lengoma,
Nyuka, qula; vumani kulo,
18 Kwiqula elambîwa ngabatêtêli,
Lagonjwa ngamanene abantu,
Ngentonga yommisi-mtêtô ngemisimelelo yawo.

Banduluka entlango, baya e-Matana;
19 *Banduluka* e-Matana, baya e-Nahaliyeli; *banduluka* e-Nahaliyeli, baya e-Bamoti;
20 *Banduluka* e-Bamoti, baya esihlanjeni esisemhlabeni wakwa-Mowabi, baya encotsheni ye-Pisga, ekângele enkangala.
21 Ama-Sirayeli atûma izigidimi ku-Sihon ukumkani wama-Amori, esitî,
22 Mandicande ezweni lakô; asiyi kutîgu-bucala, siye emasimini nasezi-diliyeni; asiyi kusela manzi equla; siya kuhambâ ngomendo wenkosi, side sicande emdeni wakô.
23 Akawavumela u-Sihon ama-Sirayeli ukuba acande emdeni wakê; U-Sihon wahlanganisa bonke abantu bakê, wapûma waya kuwahlangabeza ama-Sirayeli entlango, wafika e-Yatsa, walwa nama-Sirayeli.
24 Ama-Sirayeli amxabela ngohlangotî lweŕele, alihlutâ ilizwe lakê, atâbatêla e-Arnon, esa e-Yaboki, esa konyana baka-Amon; ngokuba umda wonyana baka-Amon ubuliqele.
25 Ama-Sirayeli ayitâbatâ yonke lemizi,

Digitized by Google

ahlala ama-Sirayeli emizini yonke yama-Amori, e-Heshbon nasemagxamesini ayo.
26 Kuba i-Heshbon ngumzi wakwa-Sihon ukumkani wama-Amori, owalwa nokumkani wakwa-Mowabi wangapâmbîli, walihlutâ lonke ilizwe lakè kuye, kwesa e-Arnon.
27 Ngenxa yoko bebesitî abenzi bemizekeliso,
Yizani e-Heshbon, mawakîwe uzinziswe umzi wakwa-Sihon;
28 Ngokuba kupûme umlilo e-Heshbon,
Ilangatye emzini wakwa-Sihon;
Wayidla i-Ari yakwa-Mowabi;
Abanini-mimango base-Arnon.
29 Yeha wena, Mowabi!
Nidakile, bantu bakwa-Kemoshe.
Ubanikele onyana bakè baba ngabasabi,
Intombî zakè uzinikele ekutînjweni,
Ku-Sihon ukumkani wama-Amori.
30 Sibatolile; idakile i-Heshebon kwesa e-Dibon;
Sababângazisa kwesa e-Nofa,
Yangumlilo kwesa e-Medeba.
31 Ahlala ama-Sirayeli ezweni lama-Amori.
32 Watûma u-Moses ukuba iye kuhlolwa i-Yazere, bawatîmbâ amagxamesi ayo, bawagqogqa ama-Amori abe kôna.
33 Bajika, benyuka ngendlela yase-Bashan. Wapûma u-Ogi ukumkani wase-Bashan, waya kubahlangabeza yena nabantu bakè bonke, ukuba kuliwe e-Edreyi.
34 Watî u-Yehova ku-Moses, Mus' ukumoyika; ngokuba ndimnikele esandleni sakô, nabantu bakè bonke, nelizwe lakè, ukuba wenze kuye njengoko wenzayo ku-Sihon ukumkani wama-Amori, owayehleli e-Heshebon.
35 Bambulala yena nonyana bakè, nabantu bakè bonke, kwada akwasala usindileyo, balihlutâ ilizwe lakè.

22 Banduluka onyana baka-Sirayeli, baya bamisa ezinqantosini zakwa-Mowabi pêsheya kwe-Yordan, malunga no-Yeriko.

2 Wakubona u-Balaki unyana ka-Tsipore konke abekwenzile u-Sirayeli kuma-Amori.
3 U-Mowabi wanxungupâla kakûlu ngabantu, ngokuba bebaninzi; wafuquka u-Mowabi ngonyana baka-Sirayeli.
4 Watî u-Mowabi kumadoda amakûlu akwa-Midiyan, Ngoku esisikûngu siya kukukôtâ konke okungenxa zonke kutî, njengoko inkomo ilukôtâyo uhlaza lwasendle. Ke u-Balaki unyana ka-Tsipore ube ngukumkani wama-Mowabi ngeloxesha.
5 Watûma abatûnywa ku-Bileham unyana ka-Behore, e-Petore, esemlanjeni welizwe lonyana babantu bakowabo, ukuba bambize batî, Yabona, kupûme abantu e-Yiputa; nabo bebugubungele ubuso belizwe, bahleli malungana nam.
6 Kâuze-ke, undiqalekisele ababantu, ngokuba banamandla kunam; mhlaumbî ndingaba nakô ukubabulala, ndibagxotè kwelilizwe; ngokuba ndiyazi ukuba omsikelelayo usikelelwe, omqalekisayo uqalekisiwe.
7 Ahambâ-ke amadoda amakûlu akwa-Mowabi, namadoda amakûlu akwa-Midiyan, enenkozo zokuvumisa ezandleni zawo, aya ku-Bileham, atêtâ kuye amazwi ka-Balaki.
8 Watî kuwo, Lalani apâ ngobubusuku, ndoninika ilizwi, njengoko u-Yehova aya kutêtâ kum. Bahlala-ke abatêtêli abo bakwa-Mowabi no-Bileham.
9 Wafika ù-Tixo ku-Bileham, watî, Angobanina lamadoda anawe apâ?
10 Watî u-Bileham ku-Tixo, U-Balaki unyana ka-Tsipore ukumkani wama-Mowabi utûmele kum, *esitî*,
11 Yabona, kupûme abantu e-Yiputa, babugubungela ubuso belizwe; yiza-ke undiqalekisele bona, mhlaumbî ndingaba nakô ukulwa nabo, ndibagxotê.
12 Watî u-Tixo ku-Bileham, Uz'ungahambî nawo, ungabaqalekisi abobantu, kuba basikelelwe.
13 Wavuka u-Bileham kusasa, watî kubatêtêli baka-Balaki, Yiyani ezweni lenu; ngokuba u-Yehova uyala ukundivumela ndihambê nani.
14 Besuka-ke abatêtêli bakwa-Mowabi, baya ku-Balaki, batî, Walile u-Bileham ukuza natî.
15 Wapînda u-Balaki, watûma abatêtêli bebaninzi bebekekile kunabo.
16 Bafika-ke ku-Bileham, batî kuye, Utsho u-Balaki unyana ka-Tsipore, ukutî, Mus' ukukè unqandwe nto ukuza kum;
17 Kuba ukukuzukisa kôna ndiya kukuzukisa kunene, ndikwenze konke ondixelela kôna; kâuze undiqalekisele ababantu.
18 Wapêndula u-Bileham, watî kubakô-

Digitized by Google

nzi baka-Balaki, Angafanelana u-Balaki endinika indlu yakê izele yi-silivere negolide, andinakô ukuwugqita umlomo ka-Yehova u-Tîxo wam, ndenze okuncinane nokuba kokukûlu.

19 Kânihlale apâ-ke nani ngobubusuku, ndiyazi into aya kuyongeza u-Yehova, ayitetê kum.

20 Wafika u-Tîxo ku-Bileham ebusuku, watî kuye, Ukuba lamadoda afikê kuwe eza kukubiza, suka uhambê nawo; ke ilizwi endolitêtâ kuwe, uze wenze lona lodwa.

21 Wavuka u-Bileham kusasa, wayibopâ imazi yakê ye-esile, wahambâ nabatêteli-abo bakwa-Mowabi.

22 Wavutâ umsindo ka-Tîxo, ngokuba wahambâyo. Sema isitûnywa sika-Yehova endleleni ukuba simcâse. Wayekwele i-esile lakê, enamadodana akwakê omabini.

23 I-esile lasibona isitûnywa sika-Yehova simi endleleni, sifole ifele laso ngesandla saso, latî-gubucala i-esile endleleni, laya entsimini; u-Bileham walibetâ i-esile, elisongela endleleni.

24 Sema isitûnywa sika-Yehova engxingweni yezi-diliya, iludonga ngapâ, iludonga ngapâ.

25 I-esile lasibona isitûnywa sika-Yehova, lagûdl' udonga, lalugûdl' unyawo luka-Bileham ngodonga; wapînda walibetâ.

26 Sapînda sagqitâ isitûnywa sika-Yehova, sema endaweni exineneyo, apô bekungekô ndlela yakucezela ekunene nasekôhlo.

27 I-esile lasibona isitûnywa sika-Yehova, lasadalala pântsi ko-Bileham; wavutâ umsindo ka-Bileham, walibetâ i-esile ngentonga.

28 Wawuvula-ke u-Yehova umlomo wesile, latî ku-Bileham, Ndikwenzé nto-nina ukuba undibetê lamaxesha matâtû?

29 Watî u-Bileham kwi-esile, Kungokuba ufeketê ngam; akwaba bendipêtê ifele ngesandla sam, inene ngendikubulele ngoku!

30 Latî i-esile ku-Bileham, Andililo i-esile lakô-na olikwelayo, kuseloko wabakôyo unanamhla? ndiqêlile-na ukwenje nje kuwe? Watî, Hayi.

31 Wawavula u-Yehova amehlo ka-Bileham, wasibona isitûnywa sika-Yehova simi endleleni, sifole ifele laso ngesandla saso; watôba, waqubuda ngobuso bakê.

32 Satî kuye isitûnywa sika-Yehova, Ulibetêle nto-nina i-esile lakô lamaxesha matâtû? Yabona, kupûmê mna ukuza kukucâsa; ngokuba ekuboneni kwam lendlela iseyelisela.

33 Landibona i-esile, lacezela pâya kum lamaxesha omatâtû; koko lacezela pâya ngenxa yam, okanye ngendikubulele ngoku wena, ndalisindisa yona.

34 Watî u-Bileham kwisitûnywa sika-Yehova, Ndonile, kuba bendingazi ukuba wena uze kundimela endleleni; ngoku ukuba kubi emehlweni akô, ndobuya.

35 Satî isitûnywa sika-Yehova ku-Bileham, Hambâ namadoda lawo; ke ilizwi endolitêtâ kuwe, uze utêtê lona lodwa. Wahambâ-ke u-Bileham nabatêtêli baka-Balaki.

36 Weva u-Balaki ukuba u-Bileham uyeza, wapûma waya kumhlangabeza emzini wakwa-Mowabi osemdeni wase-Arnon, ekupêleni komda.

37 Watî u-Balaki ku-Bileham, Andikutûmelanga-na ndiqinisile ukuba ndikubize? yinina ukuba ungezi kum? Ndihleli-nje, andinakô-na ukukuzukisa?

38 Watî u-Bileham ku-Balaki, Uyabona, ndifikile kuwe; ndinakô-na-ke ngoku ukutêtâ into eyinto? Ilizwi alibekayo u-Tîxo emlonyeni wam ndiya kutêtâ lona.

39 Wahambâ u-Bileham no-Balaki; bafika e-Kiriyati-hutsoti.

40 Wabingelela u-Balaki inkomo nempahl' emfutshane, watûmela ku-Bileham nakubatêtêli ababe naye.

41 Kwatî ngomso, u-Balaki wamtâbatâ u-Bileham, wamnyusa wamsa ezigângeni zika-Bahali. Wabona kôna wada wesa ekupêleni kwabantu.

23 Watî u-Bileham ku-Balaki, Ndakêle apâ izibingelelo zibe sixênxe, undimisele apâ inkunzi ezintsha zenkomo zibe sixênxe, nenkunzi zezimvu zibe sixênxe.

2 Wenza-ke u-Balaki njengoko watêtâyo u-Bileham. Batî o-Balaki no-Bileham benyusa kwisibingelelo ngesibingelelo inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu.

3 Watî u-Bileham ku-Balaki, Yima wena ngasedinini lakô elinyukayo, ndihambê mna, mhlaumbî u-Yehova woza kundihlangabeza, nelizwi asukuba endibonisa lona ndokuxelela-ke. Waya eluqayini.

4 U-Tîxo waqubisana no-Bileham; watî

Digitized by Google

yena kuye, Ndilungisé izibingelelo zasixênxe, ndanyusa inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu kwisibingelelo ngesibingelelo.

5 U-Yehova wabeka ilizwi emlonyeni ka-Bileham, watî, Buya uye ku-Balaki, wenje nje ukutêtâ.

6 Wabuya waya-ke kuye. Nanko emi ngasedinini lakê elinyukayo, yena nabatêtêli bonke bakwa-Mowabi.

7 Wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
U-Balaki ukumkani wama-Mowabi undităbatê kwa-Aram,
Ezintabeni zasempumalanga, *esitî*,
Yiza undiqalekisele u-Yakobi,
Yiza ubâvumele u-Sirayeli.

8 Ndotî-nina ukuqalekisa angamqalekisiyo u-Tîxo?
Ndotî-nina ukubâvumela angambâvumeliyo u-Yehova?

9 Ngokuba ndisencotsheni yamawa ndiyambona,
Ndisezindulini ndibonisela yena.
Yabona, ngabantu abahlala bodwa,
Ababalelwa pâkatî kwazo intlanga.

10 Ngubanina ongalubalayo utûli lwakwa-Yakobi,
Nesahlulo sesine sakwa-Sirayeli ngokwenani?
Umpêfumlo wam maufe ukufa kwabatê-tye,
Ukupêla kwam kube njengokwabo!

11 Watî u-Balaki ku-Bileham, Yinto-nina lento undenze yona? Ndikutâbatêle ukuba uziqalekise intshaba zam, nanku uman'ukuzisikelela.

12 Wapêndula yena, watî, Oko akubekileyo u-Yehova emlonyeni wam, mandingakugcini-na ndikutêtê?

13 Watî u-Balaki kuye, Kâuze siye ndaweni yimbî, apô uya kubabona, wobona isipêlo sabo sodwa, ungababoni bonke bepêla; undiqalekisele-ke bona apô.

14 Wamsa emhlabeni wababoniseli, encotsheni ye-Pisga, wakâ izibingelelo ezisixênxe, wenyusa inkunzi entsha yenkomo, nenkunzi yemvu kwisibingelelo ngesibingelelo.

15 Watî ku-Balaki, Yenje nje ukuma ngasedinini lakô elinyukayo, ndenje nje mna ukuhlangabeza *u-Yehova*.

16 U-Yehova waqubisana no-Bileham, wabeka ilizwi emlonyeni wakê, watî, Buya uye ku-Balaki, wenje nje ukutêtâ.

17 Wafika-ke kuye; nanko emi ngasedinini lakê elinyukayo, nabatêtêli bakwa-Mowabi benaye; watî u-Balaki kuye, Utêtê nto-nina u-Yehova?

18 Wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Suk'ume, Balaki, uve;
Ndibekele indlebe, nyana ka-Tsipore.

19 U-Tîxo akamntu ukuba atêtê amanga,
Akanyana waluntu ukuba azohlwaye.
Etshilo-nje yena, akayi kwenza-na?
Etetile-nje, akayi kufeza-na?

20 Yabona, ndamkele ukusikelela;
Usikelele-ke andinakukubuyisa.

21 Akaboni butshinga ku-Yakobi,
Akaboni bubi ku-Sirayeli.
U-Yehova u-Tîxo wakê unaye,
Ukuduma kokumkani kupâkatî kwakê.

22 U-Tîxo umkûpâ e-Yiputa;
Amendu akê anjengawenqu.

23 Akukô zihlabo kwa-Yakobi,
Akukô kuvumisa kwa-Sirayeli.
Ngexesha elililo kutêtwa ku-Yakobi naku-Sirayeli
Into ayenzayo u-Tîxo.

24 Yabona, abantu besuka njengengonyamakazi,
Bazipâkamisa njengengonyam' indluna.
Abalali pântsi bade badle okuqwengiweyo,
Basele igazi labahlatyiweyo.

25 Watî u-Balaki ku-Bileham, Uz'ungabisabaqalekisa, uz'ungabisabasikelela.

26 Wapêndula u-Bileham watî ku-Balaki, Bendingatêtânga-na kuwe ndatî, Konke akutêtâyo u-Yehova ndiya kwenza kô-na?

27 Watî u-Balaki ku-Bileham, Kâuze ndikuse ndaweni yimbî; mhlaumbî kolunga emehlweni ka-Tîxo, ukuba undiqalekisele-ke bona kôna.

28 U-Balaki wamsa-ke u-Bileham encotsheni ye-Pehore ekângele enkangala.

29 Watî u-Bileham ku-Balaki, Ndakêle apâ izibingelelo zibe sixênxe, undimisele apâ inkunzi ezintsha zenkomo zibe sixênxe, nenkunzi zezimvu zibe sixênxe.

30 Wenza-ke u-Balaki njengoko watêtâyo u-Bileham, wenyusa kwisibingelelo ngesibingelelo inkunzi entsha yenkomo nenkunzi yemvu.

Digitized by Google

24 Wabona u-Bileham, ukuba kuhle emehlweni ka-Yehova ukumsikelela u-Sirayeli, akaya kuhlangabeza zihlabo ngokwezinye izihlandlo, wabubêkisa ubuso bakê entlango,
2 Wapâkamisa amehlo akê u-Bileham, wawabona ama-Sirayeli ehleli ngokwezizwe zawo, umoya ka-Tîxo wamfikela.
3 Wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Utsho u-Bileham unyana ka-Behore,
Itsho indoda ecinywe amehlo;
4 Utsho ova ukutêtâ kuka-Tîxo,
Owubonayo umbono wo-Somandla,
Esiwa pântsi, etŷilwe amehlo.
5 Azi zintle ngakô in-tente zakô, Yakobi!
Neminquba yakô, Sirayeli!
6 Zitwabulukile njengezihlambô,
Njengamasimi apêzu komlambô,
Njengemihlâba etyelwe ngu-Yehova,
Njengemi-sedare epêzu kwamanzi.
7 Aya kumpompoza amanzi emipândeni yakê,
Imbewu yakê ingasemanzini amaninzi.
Ukumkani wakê makabe ngapêzulu ko-Agagi,
Buzipâkamise ubukumkani bakê.
8 U-Tîxo umkûpâ e-Yiputa,
Amendu akê anjengawenqu.
Uya kuzidla intlanga, ababandezeli bakê,
Awakûkuze amatâmbô abo,
Abapâluse ngentolo zakê.
9 Waguqa, wabutuma njengengonyama,
Njengengonyamakazi; ngubanina owomvusa?
Mabasikelelwe abakusikelelayo,
Baqalekiswe abakuqalekisayo.
10 Wavutâ umsindo ka-Balaki ku-Bileham, wazitywâraza izandla zakê, watî u-Balaki ku-Bileham, Ndikubizele ukuba uziqalekise intshaba zam; nanku uman' ukuzisikelela ezizihlandlo zozitâtû.
11 Kwêlela ngoku-nje uye endaweni yakô. Benditê ndokuzukisa kakûlu; yabona, u-Yehova ukuvimbîle uzuko.
12 Wati u-Bileham ku-Balaki, Bendingatêtânga-na nakubatûnywa bakô owabatûmela kum, ndisitî,
13 Angafanelana u-Balaki endinika indlu yakê izele yi-silivere ne-golide andingekê ndiwugqitê umlomo ka-Yehova, ndenze okulungileyo nokuba kokubî okupûma entliziyweni yam; oko akutêtâyo u-Yehova ndiya kwenza kôna.
14 Kaloku yabona, ndiyahambâ ndiya ebantwini bakowetû. Yiza, ndikutyele into abaya kuyenza ababantu kubantu bakô ngemihla yokugqibela.
15 Wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Utsho u-Bileham unyana ka-Behore,
Itsho indoda ecinywe amehlo.
16 Utsho ova ukutêtâ kuka-Tîxo,
Wakwazi ukwazi k-Osenyangweni,
Obona umbono wo-Somandla,
Esiwa pantsi, etŷilwe amehlo:
17 Ndiyayibona, kungekôna ngoku,
Ndiyikângele, ingekufupi,
Inkwenkwezi ipûma kwa-Yakobi,
Intonga ivela kwa-Sirayeli,
Iwapâluse ama-Mowabi emacaleni omabini,
Ibagombê bonke abengxolo.
18 U-Edom abe lilifa,
Abe lilifa u-Sehire, intshaba zakê;
U Sirayeli yena avelise amandla.
19 Makehle opûma kwa-Yakobi,
Atshabalalise abaseleyo emizini.
20 Wawabona ama-Amaleki, wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Ingqalo yentlanga ngu-Amaleki,
Isipêlo sakê sikukutshabalala.
21 Wawabona, ama-Keni, wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Liqinile ikâya lakô,
Indlu yako imiswe eweni.
22 Kuba u-Kayin angatshayelwa yinina,
Ade u-Asuri akutîmbê?
23 Wasusela ngomzekeliso wakê, watî,
Yeha! Azi ngubanina oya kubudla ubomi akukumisa oko u-Tîxo?
24 Inqanawa *zivela* elunxwemeni lwama-Kiti,
Ziyamcinezela u-Asuri, ziyamcinezela u-Ebere,
Naye woda atshabalale.
25 Wesuka-ke u-Bileham, wahambâ, wabuyela endaweni yakê; naye u-Balaki wahambâ ngendlela yakê.

25 Ama-Sirayeli ahlala e-Shitim. Baqala abantu bahenyuza nentombî zakwa-Mowabi.
2 Zababizela abantu emibingelelweni yotîxo bazo; badla abantu, baqubuda kotîxo bazo.
3 Ama-Sirayeli azibandakanya-ke no-Ba-

Digitized by Google

hali-pehore. Wavutâ umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli,

4 Watî u-Yehova ku-Moses, Tâbatâ bonke abazintloko zabantu, ubabetêle *abanetyala* emnqamlezweni ku-Yehova pâmbî kwelanga, kubuyiswe ukuvutâ komsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli.

5 Watî u-Moses kubagwebi bakwa-Sirayeli, Bulalani elowo abantu bakê, abazibandakanyileyo no-Bahali-pehore.

6 Kwabonakala-ke indoda yakonyana baka-Sirayeli, ifika isondeza kubazalwana bayo um-Midiyanekazi emehlweni ka-Moses, nasemehlweni ebandla lonke lonyana baka-Sirayeli, ababelila emnyango wen-tente yokuhlangana.

7 Wabona u-Pinehasi unyana ka-Elazare, unyana ka-Aron umenzeleleli, wesuka pâkatî kwebandla, watâbatâ umkônto ngesandla sakê;

8 Wayilandela indoda engum-Sirayeli, waya egumbîni, wabahlab' amahlanza bobabini, indoda engum-Sirayeli nenkazana leyo esiswini sayo; satîntelwa-ke isibetô konyana baka-Sirayeli.

9 Abafayo ngesibetô baba ngamawaka amashumi mabini anamane.

10 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

11 U-Pinehasi unyana ka-Elazare, unyana ka-Aron umenzeleleli, ububuyisile ubushushu bam konyana baka-Sirayeli, ekukwêleteni kwakê njengekwêle lam pâkatî kwabo, ukuze ndingabagqibi onyana baka-Sirayeli ngekwêle lam.

12 Yitî ngoko, Yabona, ndimnika umnqopîso wam woxolo,

13 Ube ngumnqopîso wobenzeleleli obungunapâkade kuye nakwimbêwu yakê emva kwakê, ngenx' enokuba ebenekwêle ngo-Tîxo wakê, wabacamagushela onyana baka-Sirayeli.

14 Igama lendoda engum-Sirayeli, leyo yahlatywayo, yahlatywa nom-Midiyanekazi, ibingu-Zimri unyana ka-Salu, inkulu yendlu yoyise kwa-Simon.

15 Igama lenkazana-leyo yahlatywayo ingum-Midiyanekazi, belingu-Kozibi intombî ka-Tsure, obe yintloko yezizwe zendlu yoyise kwa-Midiyan.

16 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

17 Wabandezeleni ama-Midiyan niwaxabele;

18 Ngokuba wona anibandezele ngamayelenqe awo abewenzile kuni, ngenxa yendawo ka-Pehore, nangenxa yendawo ka-Kozibi, intombî yenkulu yakwa-Midiyan, udade wabo, owahlatywa ngomhla wesibetô ngenxa yendawo ka-Pehore.

26 Kwatî emva kwesibetô eso, watêtâ u-Yehova ku-Moses naku-Elazare, unyana ka-Aron umenzeleleli, watî,

2 Balani inani lebandla lonke lonyana baka-Sirayeli, nitâbatêle kominyaka imashumi mabini ezelwe, ninyuse, ngokwezindlu zoyise, bonke abapûma umkôsi kwa-Sirayeli.

3 U-Moses no-Elazare umenzeleleli batêtâ nabo ezinqantosini zakwa-Mowabi ngase-Yordan, malunga ne-Yeriko, besitî,

4 Tâbatêlani kominyaka imashumi mabini ezelwe, ninyuse, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses. Onyana baka-Sirayeli abapûmayo ezweni lama-Yiputa babe ngaba:

5 Kwa-Ruben amazibulo ka-Sirayeli; onyana baka-Ruben; ngu-Hanoki ozala ama-Hanoki; ngu-Palu ozala ama-Palu;

6 Ngu-Hetseron ozala ama-Hetseron; ngu-Karmi ozala ama-Karmi.

7 Yiyo leyo imizalwane yama-Ruben, ababalwayo babâlwa kuyo babe ngamashumi amane anamatâtû amawaka, anamakûlu asixênxe, anamanci matâtû.

8 Onyana baka-Palu: u-Eliyabi.

9 Onyana baka-Eliyabi ngu-Nemuweli no-Datan no-Abiram. Ngulo-Datan no-Abiram babizwayo libandla, bapîkisana no-Moses no-Aron ebandleni lika-Kora, ekupîkisaneni kwabo no-Yehova:

10 Waza umhlaba wawuvula umlomo wawo, wabaginya no-Kora ekufeni kwelobandla, ekudleni komlilo amadoda angamakûlu omabini, anamanci mahlanu, aba ngumqondiso.

11 Ke onyana baka-Kora abafanga.

12 Onyana baka-Simon ngokwemizalwane yabo: ngu-Nemuweli ozala ama-Nemuweli; ngu-Yamin ozala ama-Yamin; ngu-Yakin ozala ama-Yakin;

13 Ngu-Zera ozala ama-Zera; ngu-Saule ozala ama-Saule.

14 Yiyo leyo imizalwane yama-Simon: amashumi amabini anamabini amawaka, anamakûlu mabini.

Digitized by Google

15 Onyana baka-Gadi ngokwemizalwane yabo: ngu-Tsefon ozala ama-Tsefon; ngu-Hagi ozala ama-Hagi; ngu-Shuni ozala ama-Shuni;
16 Ngu-Ozeni ozala ama-Ozeni; ngu-Eri ozala ama-Eri;
17 Ngu-Arodi ozala ama-Arodi; ngu-Areli ozala ama-Areli.
18 Yiyo leyo imizalwane yonyana baka-Gadi ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi omane amawaka, anamakûlu mahlanu.

19 Onyana baka-Yuda ngu-Ere no-Onan; bafa o-Ere no-Onan ezweni lakwa-Kanan.
20 Onyana baka-Yuda ngokwemizalwane yabo bebe ngaba: ngu-Shela ozala ama-Shela; ngu-Peretse ozala ama-Peretse; ngu-Zera ozala ama-Zera.
21 Onyana baka-Peretse bebe ngaba: ngu-Hetseron ozala ama-Hetseron; ngu-Hamuli ozala ama-Hamuli.
22 Yiyo leyo imizalwane yakwa-Yuda ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi asixênxe anamatândatû amawaka, anamakûlu mahlanu.

23 Onyana baka-Isakare ngokwemizalwane yabo: ngu-Tola ozala ama-Tola; ngu-Puwa ozala ama-Puwa;
24 Ngu-Yashubi ozala ama-Yashubi; ngu-Shimron ozala ama-Shimron.
25 Yiyo leyo imizalwane yakwa-Isakare ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi amatândatû anamane amawaka, anamakûlu matâtû.

26 Onyana baka-Zebulon ngokwemizalwane yabo: ngu-Serede ozala ama-Serede; ngu-Elon ozala ama-Elon; ngu-Yaleli ozala ama-Yaleli.
27 Yiyo leyo imizalwane yama-Zebulon ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi amatândatû amawaka, anamakûlu mahlanu.

28 Onyana baka-Yosefu ngokwemizalwane yabo ngu-Manase no-Efrayim.
29 Onyana baka-Manase: ngu-Makire ozala ama-Makire; u-Makire wazala u-Giliyadi; ngu-Giliyadi ozala ama-Giliyadi.
30 Ngabo aba onyana baka-Giliyadi: ngu-Iyezere ozala ama-Iyezere; ngu-Heleki ozala ama-Heleki;
31 Ngu-Aseriyeli ozala ama-Aseriyeli; ngu-Shekem ozala ama-Shekem;
32 Ngu-Shemida ozala ama-Shemida; ngu-Hefere ozala ama-Hefere.
33 Ke u-Tselofehadi unyana ka-Hefere ebenge nanyana, waye nentombî zodwa. Amagama entombî zika-Tselofehadi ngu-Mala, no-Noha, no-Hogela, no-Milika, no-Tirtsa.
34 Yiyo leyo imizalwane yakwa-Manase ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi amahlànu anamabini amawaka, anamakûlu asixênxe.

35 Ngabo aba onyana baka-Efrayim ngokwemizalwane yabo: ngu-Shutela ozala ama-Shutela; ngu-Bekere ozala ama-Bekere; ngu-Tahan ozala ama-Tahan.
36 Ngabo aba onyana baka-Shutela: ngu-Eran ozala ama-Eran.
37 Yiyo leyo imizalwane yonyana baka-Efrayim ngokwababalwayo babâlwa kubo: amashumi omatâtû anamabini amawaka, anamakûlu mahlanu. Ngabo abo onyana baka-Yosefu ngokwemizalwane yabo.

38 Onyana baka-Benyamin ngokwemizalwane yabo: ngu-Bela ozala ama-Bela; ngu-Ashebe'e ozala ama-Ashebele; ngu-Ahiram ozala ama-Ahiram;
39 Ngu-Shefufam ozala ama-Shefufam; ngu-Hufam ozala ama-Hufam.
40 Onyana baka-Bela ngu-Ardi no-Nahaman; ngu-Ardi ozala ama-Ardi; ngu-Nahaman ozala ama-Nahaman.
41 Ngabo abo onyana baka-Benyamin ngokwemizalwane yabo; ababalwayo babâlwa kubo ngamashumi amane anamahlanu amawaka, anamakûlu matândatû.

42 Ngabo abo onyana baka-Dan ngokwemizalwane yabo: ngu-Shuham ozala ama-Shuham. Yiyo leyo imizalwane yakwa-Dan ngokwemizalwane yabo.
43 Yonke imizalwane yama-Shuham ngokwababalwayo babâlwa kubo ngamashumi omatândatû anamane amawaka, anamakûlu mane.

44 Onyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo: ngu-Imna ozala ama-Imna; ngu-Ishwi ozala ama-Ishwi; ngu-Beriya ozala ama-Beriya.
45 Konyana baka-Beriya: ngu-Hebere

Digitized by Google

ozala ama-Hebere; ngu-Malekiyeli ozala ama-Malekiyeli.
46 Igama lentombî ka-Ashere ngu-Sara.
47 Yiyo leyo imizalwane yonyana baka-Ashere ngokwababalwayo babâlwa kubo: ngamashumi omahlanu anamatâtû amawaka, anamakûlu mane.

48 Onyana baka-Nafetali ngokwemizalwane yabo: ngu-Gatseli ozala ama-Gatseli; ngu-Guni ozala ama-Guni;
49 Ngu-Yetsere ozala ama-Yetsere; ngu-Shilem ozala ama-Shilem.
50 Yiyo leyo imizalwane yakwa-Nafetali ngokwemizalwane yabo; ababaliweyo babâlwa kubo ngamashumi omane anamahlanu amawaka, anamakûlu mane.

51 Ngabo abo ababalwayo babâlwa konyana baka-Sirayeli: ngamakûlu omatândatû amawaka anawaka-nye, anamakûlu asixènxe, anamanci matâtû.

52 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
53 Malabelwe ezozizwe ilizwe, libe lilifa lazo ngenani lamagama.
54 Esininzi wolenza lininzi ilifa laso, esincinane wolenza lincinane ilifa laso; eso sinikwe ilifa ngokwababalwayo babâlwa kuso.
55 Kodwa ilizwe malabiwe ngeqashiso, balidle ilifa ngokwamagama ezizwe zoyise.
56 Labiwe ilifa lazo ngokweqashiso pâkatî kwesininzi nesincinane.

57 Ngabo aba ababalwayo babâlwa kuba-Levi ngokwemizalwane yabo: ngu-Gershon ozala ama-Gershon; ngu-Kehati ozala ama-Kehati; ngu-Merari ozala ama-Merari.
58 Yiyo le imizalwane yaba-Levi: ngumzalwane wama-Libeni, ngumzalwane wama-Hebron, ngumzalwane wama-Maheli, ngumzalwane wama-Mushi, ngumzalwane wama-Kora. U-Kehati wazala u-Amram.
59 Igama lomka-Amram ngu-Yokebede intombî ka-Levi, eyazalelwa u-Levi e-Yiputa, yamzalela u-Amram o-Aron no-Moses, no-Miriyam udade wabo.
60 U-Aron wazalelwa u-Nadabi no-Abihu, no-Elazare no-Itamare.
61 Wafa u-Nadabî no-Abihu ekusondezeni kwabo umlilo ongesesikweni pâmbî ko-Yehova.
62 Ababalwayo babâlwa kubo baba ngamashumi omabini anamatâtû amawaka, yonke into eyindoda, betâbatêla kumntwana onyanga-nye benyusa; kuba bebengabalwanga babâlwe pâkatî konyana baka-Sirayeli; ngokuba bebengenalifa pâkatî konyana baka-Sirayeli.
63 Ngabo abo babalwayo babâlwa ngu-Moses no-Elazare umenzeleleli, ababebabala bababâle onyana baka-Sirayeli ezinqantosini zakwa-Mowabi ngase-Yordan, malunga ne-Yeriko.
64 Ke, kwabo bekungasekô mntu wababebalwe babâlwa ngo-Moses no-Aron umenzeleleli, abababalayo bababâla onyana baka-Sirayeli entlango ye-Sinayi.
65 Ngokuba u-Yehova ebetê kubo, Mabafele bona entlango kanye. Akwasala namnye-ke kubo inge ngu-Kalebi unyana ka-Yefune, no-Yoshuwa unyana ka-Nun.

27 Zasondela intombî zika-Tselofehadi unyana ka-Hefere, unyana ka-Giliyadi, unyana ka-Makire, unyana ka-Manase, zomzalwane ka-Manase unyana ka-Yosefu. Ngawo-ke la amagama entombî zakê ezo: u-Mala, no-Noha, no-Hogela, no-Milka, no-Tirtsa.
2 Zema pâmbî ko-Moses napâmbî ko-Elazare umenzeleleli, napâmbî kwezikûlu zebandla lonke emnyango wen-tente yokuhlangana, zatî,
3 Ubawo wafela entlango; yena wayengekô pâkatî kwebandla labahlanganayo ngo-Yehova ebandleni lika-Kora, ngokuba wafa ngesakê isono, engabanga nanyana.
4 Yinina-ke ukuba igama likabawo licinywe pâkatî kwemizalwane yakê, kuba enge nanyana? Sinike ilifa pâkatî kwabazalwana bakabawo.
5 U-Moses wasibeka isimangalo sazo pâmbî ko-Yehova.
6 Watêtâ u-Yehova ku-Moses watî,
7 Intombî zika-Tselofehadi zilungisile ukutêtâ; wozinika ilifa pâkatî kwabazalwana boyise, ulihambîsele kuzo ilifa loyise.
8 Utêtê konyana baka-Sirayeli, utî, Xa itê yafa indoda, inge nanyana, nolihambîsela ilifa layo kwintombî yayo;
9 Ke ukuba itê ayabi nantombî, nolinika abazalwana bayo ilifa layo.

Digitized by Google

10 Ukuba itê ayabi nabazalwana, nolinika abazalwana boyise ilifa layo.
11 Ukuba uyise utê akabi nabazalwana, ilifa layo nolinika umzalwana wayo okufupi kuyo emizalwaneni yayo, alidle ilifa; ube ngummiselo-ke wokugweba lowo konyana baka-Sirayeli, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

12 Watî u-Yehova ku-Moses, Nyuka uye kulentaba ye-Abarim, ulikângele ilizwe endilinike onyana baka-Sirayeli,
13 Ulikângele; uhlanganiselwe kwabakowenu nawe, njengokuba wahlanganiselwayo kubo u-Aron umkûluwe wakô:
14 Njengokuba nawupîkisayo umlomo wam entlango ye-Tsin, embâmbâneni yebandla, endaweni yokundingcwalisa emanzini emehlweni abo. Lawo ngamanzi embâmbâno ase-Kadeshe entlango ye-Tsin.
15 Watêtâ u-Moses ku-Yehova, esitî,
16 U-Yehova u-Tîxo womoya benyama yonke makamise indoda yokuvelela ibandla,
17 Eya kupûma pâmbî kwabo, ingene pâmbî kwabo, ibakûpê, ibangenise, lingabi njengezimvu ezinge namalûsi ibandla lika-Yehova.
18 Watî u-Yehova ku-Moses, Zitâbatêle u-Yoshuwa unyana ka-Nun, indoda okuyo umoya, ucinezele ngesandla sakô pêzu kwakê,
19 Ummise pâmbî ko-Elazare umenzeleleli, napâmbî kwebandla lonke, umwisele umtêtô emehlweni abo;
20 Utâbatê kwindili yakô, ubeke pêzu kwakê, ukuze limve lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli;
21 Aze eme pâmbî ko-Elazare umenzeleleli, yena ambuzele ukugweba kwe-Urim pâmbî ko-Yehova, bapûme ngokomlomo wakê, bangene ngokomlomo wakê, yena nonyana bonke baka-Sirayeli ndawonye naye, nebandla lonke.
22 Wenza-ke u-Moses njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô; wamtâbatâ u-Yoshuwa, wammisa pâmbî ko-Elazare umenzeleleli, napâmbî kwebandla lonke,
23 Wacinezela ngezandla zakê pêzu kwakê, wamwisela umtêtô, njengoko u-Yehova watêtâyo ngo-Moses.

28 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,
2 Bawisele umtêtô onyana baka-Sirayeli, utî kubo, Umsondezo wam, isonka sam sokudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo kum, nokugcina ukuwusondeza kum ngexesha lawo elimisiweyo.
3 Utî kubo, Kukô oku ukudla kwasemlilweni enokusondeza ku-Yehova: imvana ezimbîni ezimnyaka mnye ezigqibeleleyo, zemini ngemini, zedini elinyukayo lamaxesha onke;
4 Enye imvana woyenza kusasa, eyesibini uyenze lakutshona ilanga;
5 Nesahlulo seshumi se-efa somgubo onengiweyo ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe i-oli enqûshiweyo esisahlulo sesine se-hin:
6 Lidini elinyukayo lamaxesha onke, elamiselwa entabeni ye-Sinayi ukuba libe livumbâ elitôzamisayo, ukudla kwasemlilweni-ke oko ku-Yehova;
7 Nomnikelo walo otûlulwayo osisahlulo sesine se-hin kwimvana yokuqala. Wowutûlulela engcweleni umnikelo otûlulwayo, usisiselo esinamandla ku-Yehova.
8 Eyesibini imvana uyenze lakutshona ilanga. Woyenza ngokomnikelo wokudla wakusasa, nangokomnikelo walo otûlulwayo, ukudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo-ke elo ku-Yehova.

9 Ke ngomhla we-sabatâ nosondeza imvana ezimbîni ezimnyaka-mnye, ezigqibeleleyo, nezahlulo zeshumi zibe zibini zomgubo onengiweyo ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe i-oli, nomnikelo walo otûlulwayo:
10 Lidini elinyukayo-ke elo le-sabatâ nge-sabatâ ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke nomnikelo walo otûlulwayo.

11 Ekutwâseni kwenyanga zenu nosondeza ku-Yehova idini elinyukayo, inkunzi ezintsha zibe mbini, amatôle enkomo, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezigqibeleleyo ezimnyaka-mnye zibe sixênxe;
12 Nezahlulo zeshumi zomgubo onengiweyo zibe zitâtû, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe i-oli, kuyo inkunzi entsha enye yenkomo; nezahlulo zeshumi zomgubo onengiweyo zibe zibini, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe i-oli, kuyo inkunzi enye yemvu;
13 Nesahlulo seshumi somgubo onengiweyo ngasinye, ube ngumnikelo wokudla, ugalelwe i-oli, kuyo imvana enye:

Digitized by Google

lidini elinyukayo, livumbâ elitôzamisayo, kukudla kwasemlilweni-ke oko ku-Yehova;

14 Neminikelo yazo etûlulwayo yoba sisiqingatâ se-hin kuyo inkunzi entsha yenkomo, nesahlulo sesitâtû se-hin kuyo inkunzi yemvu, nesahlulo sesine se-hin ye-wayini kwimvana: lilo elo idini elinyukayo lenyanga ngenyanga ezinyangeni zomnyaka;

15 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ibe lidini lesono ku-Yehova, nolenza ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke nomnikelo walo otûlulwayo.

16 Ngenyanga yokuqala, ngosuku lweshumi elinesine enyangeni-leyo, yi-pasika ku-Yehova.

17 Ngomhla weshumi elinesihlanu walonyanga ngumtendeleko. Intsuku ezisixênxe kodliwa izonka ezinge nagwele.

18 Ngomhla wokuqala kobakô intlanganiso engewele. Ize ningenzi msebenzi wakukônza.

19 Nosondeza ukudla kwasemlilweni, idini elinyukayo ku-Yehova: inkunzi ezintsha zibe mbîni, amatôle enkomo, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezimnyaka-mnye zibe sixênxe, zoba zezigqibeleleyo kuni;

20 Niwenze umnikelo wazo wokudla womgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, izahlulo zeshumi zibe zitâtû kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu.

21 Wosenza isahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana enye, kuzo imvana ezisixênxe;

22 Nenkunzi ye-bôkwe ibe-nye ibe lidini lesono lokunicamagushela nina.

23 Nowenza wona ngapândle kwedini elinyukayo lakusasa, elileledini elinyukayo lamaxesha onke.

24 Niya kwenje njalo imihla yonke, ngalomihla isixênxe, isonka sokudla kwasemlilweni, ivumbâ elitôzamisayo ku-Yehova, nenze ndawonye nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo otûlulwayo.

25 Ngomhla wesixênxe kobakô intlanganiso engewele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukônza.

26 Ngomhla wokushwama, ekuwusondezeni kwenu umnikelo wokudla okutsha ku-Yehova, emtendelekweni wenu weveki, kobakô intlanganiso engewele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukônza.

27 Nosondeza idini elinyukayo libe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova: inkunzi ezintsha zibe mbîni, amatôle enkomo, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezimnyaka-mnye zibe sixênxe;

28 Nomnikelo wazo wokudla womgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, izahlulo zeshumi zibe zitâtû kuyo inkunzi entsha yenkomo inye, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu inye;

29 Ngesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana enye, kuzo imvana ezisixênxe;

30 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye yokunicamagushela.

31 Ezonto nozenza ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, zoba zezigqibeleleyo kuni, neminikelo yazo etûlulwayo.

29 Ngenyanga yesixênxe, ngolokuqala enyangeni-leyo, kobakô intlanganiso engewele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukônza. Yoba ngumhla wokumema ngezigodlo kuni;

2 Nenze idini elinyukayo, libe livumbâ elitôzamisayo ku-Yehova: ibe-nye inkunzi entsha, itôle lenkomo, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo, zibe sixênxe,

3 Nomnikelo wazo wokudla womgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, izahlulo zeshumi zibe zitâtû kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu;

4 Nesahlulo seshumi sibe sinye kuyo imvana enye, kuzo imvana ezisixênxe;

5 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ibe lidini lesono lokunicamagushela,

6 Ngapândle kwedini elinyukayo lenyanga, nomnikelo walo wokudla, nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, neminikelo yawo etûlulwayo, ngokwesiko lawo, libe livumbâ elitôzamisayo, ukudla kwasemlilweni-ke oko ku-Yehova.

7 Ngolweshumi lwalonyanga yesixênxe kobakô intlanganiso engewele kuni, niyitôbe imipêfumlo yenu. Ize ningenzi msebenzi wakukônza;

8 Nosondeza idini elinyukayo ku-Yehova, ivumbâ elitôzamisayo: ibe-nye inku-

Digitized by Google

nzi entsha, itôle lenkomo, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezimnyaka-mnye zibe sixênxe, zoba zezigqibeleleyo kuni;
9 Nomnikelo wazo wokudla womgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, izahlulo zeshumi zibe zitâtû kuyo inkunzi entsha yenkomo, nezahlulo zeshumi zibe zibini kuyo inkunzi yemvu inye,
10 Nesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana inye, kuzo imvana ezisixênxe,
11 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ibe lidini lesono ngapandle kwedini lesono lokucamagusha, nedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwa neminikelo yawo etûlulwayo.

12 Ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yesixênxe kobakô intlanganiso engewele kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukônza. Niya kwenza umtêndeleko kuYehova intsuku ezisixênxe;
13 Nisondeze idini elinyukayo, ukudla kwasemlilweni, ivumbà elitózamisayo kuYehova: zibe lishumi elinantatû inkunzi ezintsha, amatôle enkomo, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nemvana ezimnyakamnye zibe lishumi elinane, zoba zezigqibeleleyo,
14 Nomnikelo wazo wokudla womgubo onengiweyo ugalelwe i-oli, izahlulo zeshumi zibe zitâtû kuyo inkunzi entsha yenkomo inye, kuzo inkunzi ezintsha zenkomo ezilishumi elinantâtû, nezahlulo zeshumi zibe zibini kwinkunzi yemvu inye, kuzo inkunzi zezimvu ezimbîni,
15 Nesahlulo seshumi ngasinye kuyo imvana inye kuzo imvana ezilishumi elinane;
16 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ibe lidini lesono ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otûlulwayo.

17 Ngosuku lwesibini nosondeza zibe lishumi elinambîni inkunzi ezintsha, amatôle enkomo, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo, zibe lishumi elinane,
18 Nomnikelo wazo wokudla neminikelo yazo etûlulwayo kuzo inkunzi ezintsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo ngokwesiko;
19 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ibe lidini lesono ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwaneminikelo yazo etululwayo.

20 Ngosuku lwesitâtû nosondeza inkunzi ezintsha zenkomo zibe lishumi elinanye, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinane;
21 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etûlulwayo kuzo inkunzi ezintsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko;
22 Nenkunzi ye-bôkwe ibe-nye, ibe lidini lesono, ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otûlulwayo.

23 Ngosuku lwesine nosondeza inkunzi ezintsha zenkomo zibe lishumi, nenkunzi zezimvu zibe mbini, nemvana ezimnyakamnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinane;
24 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etûlulwayo kuzo inkunzi ezintsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko;
25 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ibe-nye, ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otûlulwayo.

26 Ngosuku lwesihlanu nosondeza inkunzi ezintsha zenkomo zibe sitôba, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinane;
27 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etûlulwayo kuzo inkunzi ezintsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko;
28 Nenkunzi ye-bôkwe ibe-nye, ibe lidini lesono, ngapândle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otûlulwayo.

29 Ngosuku lwesitândatû nosondeza inkunzi ezintsha zenkomo zibe sibôzo, nenkunzi zezimvu zibe mbîni, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinane;
30 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etûlulwayo kuzo inkunzi ezi-

Digitized by Google

ntsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko;
31 Nenkunzi ye-bókwe ibe-nye, ibe lidini lesono, ngapándle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otúlulwayo.

32 Ngosuku lwesixénxe nosondeza inkunzi ezintsha zenkomo zibe sixénxe, nenkunzi zezimvu zibe mbini, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo zibe lishumi elinane;
33 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etúlulwayo kuzo inkunzi ezintsha zenkomo, nakuzo inkunzi zezimvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko lazo;
34 Nenkunzi ye-bókwe ibe-nye, ibe lidini lesono, ngapándle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otúlulwayo.

35 Ngosuku lwesibózo yoba yingqungqutéla kuni. Ize ningenzi msebenzi wakukónza.
36 Nosondeza idini elinyukayo, ukudla kwasemlilweni, ivumbá elitózamisayo ku-Yehova: inkunzi entsha yenkomo ibe-nye, nenkunzi yemvu ibe-nye, nemvana ezimnyaka-mnye ezigqibeleleyo zibe sixénxe;
37 Nomnikelo wazo wokudla, neminikelo yazo etúlulwayo kuyo inkunzi entsha yenkomo, nakuyo inkunzi yemvu, nakuzo imvana ngangenani lazo, ngokwesiko;
38 Nenkunzi ye-bókwe ibe-nye, ibe lidini lesono, ngapándle kwedini elinyukayo lamaxesha onke, nomnikelo walo wokudla, kwanomnikelo walo otúlulwayo.

39 Lomadini nowenza ku-Yehova ngamaxesha enu amisiweyo, ngapándle kwezibámbátíso zenu, nemibingelelo yenu yokuqútywa yintliziyo, emadinini enu anyukayo, naseminikelweni yenu yokudla naseminikelweni yenu etúlulwayo, nasemibingelelweni yenu yoxolo.
40 U-Moses wabaxelela onyana baka-Sirayeli ngokwezinto zonke, u-Yehova abemwisele umtétó ngazo u-Moses.

30 Watétá u-Moses kwintloko zezizwe zonyana baka-Sirayeli, esití, Lilo eli ilizwi awise umtétó ngalo u-Yehova.

2 Xa até umntu wabámbátísa isibámbátíso ku-Yehova, nokuba ufunge isifungo sokuwubopá umpéfumlo wakè ngokuzikányeza, makangalihlambéli ilizwi lakè; makenze ngokwento yonke epúme emlonyeni wakè.
3 Xa ité inkazana yabámbátísa isibámbátíso ku-Yehova, nokuba ité yazibopá ngokuzikányeza, isendlwini yoyise, isebuncinaneni bayo,
4 Wasiva uyise isibámbátíso sayo nokuzikányeza kwayo, ebopé ngako umpéfumlo wayo, watí-cwaka uyise kuyo, mazime zonke izibámbátíso zayo, nokuzikányeza kwayo konke, ebopé umpéfumlo wayo ngako, makume.
5 Ukuba uté uyise wayitíba ngomhla wokuziva kwakè izibámbátíso zayo zonke, nokuzikányeza kwayo, ebopé umpéfumlo wayo ngako, akuyi kuma; u-Yehova woyixolela, ngokuba eyitíbile uyise.
6 Ke ukuba ité yenda inesibámbátíso, nokuba inokupololoza komlomo wayo, ebopé umpéfumlo wayo ngako,
7 Yeva indoda, yatí-cwaka kuyo ngomhla wokuva kwayo, mazime izibámbátíso zayo, nokuzikányeza kwayo, ebopé umpéfumlo wayo ngako, makume.
8 Ukuba indoda yayo ité yayitíba ngomhla wokuva *kwayo*, yasapúla isibámbátíso sayo esipézu kwayo, nokupololoza komlomo wayo, ebopé umpéfumlo wayo ngako: u-Yehova woyixolela.
9 Isibámbátíso somhlolokazi nesowaliweyo, yonke into abopé umpéfumlo wakè ngayo, mayime pézu kwakè.
10 Ukuba *umfazi* uté wenza isibámbátíso esendlwini yendoda yakè, nokuba uté wabopá umpéfumlo wakè ngokuzikányeza ngesifungo,
11 Yeva indoda yakè, yatí-cwaka kuye, ayamtíba, mazime zonke izibámbátíso zakè, makume ukuzikányeza kwakè, abopé ngako umpéfumlo wakè.
12 Ukuba ité indoda yakè yakwapúla mpela ngomhla wokuva kwayo: yonke into epúme emlonyeni wakè ngezibámbátíso zakè nangokuzikányeza kompéfumlo wakè, mayingemi; indoda yake iyapúle, u-Yehova womxolela.
13 Zonke izibámbátíso nezifungo zonke zokuzikányeza zokutóba umpéfumlo, indoda yakè ingazimisa, indoda yakè ingazapúla.
14 Ukuba indoda yakè ité-cwaka yatí-

Digitized by Google

tu kuye imihla ngemihla, iyazimisa zonke izibâmbâtîso zakê, nokuzikânyeza kwakê konke okupêzu kwakê iya kukumisa; ngokuba yatî-cwaka kuye ngomhla wokuva kwayo.

15 Ukuba itê yakwapûla mpela emva kokuva kwayo, yobutwala ubugwenxa bakê.

16 Yiyo leyo imimiselo, u-Yehova awamwisela umtêtô ngayo u-Moses, pâkatî kwendoda nomkayo, pâkatî koyise nentombi yakê, isebuncinaneni bayo, isendlwini kayise.

31 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî, 2 Bapîndezele kuma-Midiyan, onyana baka-Sirayeli, ngento awayenza kubo, emveni koko wohlanganiselwa ebantwini bakowenu.

3 Watêtâ-ke u-Moses ebantwini, esitî, Makuxôbe amadoda kuni apûme umkôsi aye kuma-Midiyan, enze impindezelo ka-Yehova kuma-Midiyan.

4 Iwaka esizweni, iwaka esizweni, ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, nowatûma apûme umkôsi.

5 Kwakûtshwa-ke emawakeni akwa-Sirayeli iwaka esizweni, iwaka esizweni, alishumi elinamabini amawaka exôbele ukupûma umkôsi.

6 Wawatûma u-Moses, yaliwaka esizweni ukuba apûme umkôsi; wona eno-Pinehasi, unyana ka-Elazare umenzeleleli, apûme umkôsi enempahla ezingcwele, namaxilongo okuhlab'umkôsi esandeni sakê.

7 Apûma-ke umkôsi, aya kuma-Midiyan, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses, ayibulala yonke into eyindoda.

8 Ababulala okumkani bama-Midiyan ndawo-nye nababuleweyo babo u-Evi, no-Rekem, no-Tsure, no-Hure, no-Reba, okumkani abablanu bama-Midiyan; no-Bileham unyana ka-Behore ambulala ngerele.

9 Onyana baka-Sirayeli babatîmbâ abafazi bakwa-Midiyan, nentsapo yabo, namaqegu abo onke, nemfuyo yabo yonke, nobutyebi babo bonke babupânga.

10 Bayitshisa ngomlilo imizi yabo yonke ezindaweni zokuhlala kwabo, nenqîli zabo zonke;

11 Bawatâbatâ onke amaxôba nezinto zonke ezipângiweyo, awabantu nawenkomo.

12 Babazisa abatînjiweyo namaxôba nempahla epângiweyo ku-Moses naku-Elazare umenzeleleli, nakwibandla lonyana baka-Sirayeli eminqubeni ezinqantosini zakwa-Mowabi, ezingase-Yordan malunga ne-Yeriko.

13 Bapûma o-Moses no-Elazare umenzeleleli, nezikûlu zonke zebandla, baya kubakâulela ngapândle kweminquba.

14 U-Moses wanobufalafume kubo abaveleli bomkôsi, abatêtêli-waka nabatêtêlikûlu, ababevela emkôsini walomfazwe.

15 Watî u-Moses kubo, Niwasindisilena onke amankazana?

16 Yabonani, ngawo la atî ngelizwi lika-Bileham amenezisa onyana baka-Sirayeli ku-Yehova ngenxa ka-Pehore, kwabakô isibetô ebandleni lika-Yehova.

17 Yibulaleni ngoko yonke into eyindoda ezintsatsheni, namankazana onke ayazileyo indoda ngokulala nayo wabulaleni.

18 Ke yonke intsapo emankazaneni engalalanga nandoda, yisindiseni.

19 Ke nina misani in-tente ngapândle kweminquba intsuku ezisixênxe. Bonke ababulele umntu, bonke abacûkumise obuleweyo, nozihlambûlula isono ngomhla wesitâtû nangomhla wesixênxe, nina nabo nibatîmbileyo.

20 Nengubo zonke, nempahla zonke zezikumbâ, nento zonke ezenziwe ngoboya be-bôkwe, nempahla zonke zomtî nozihlambûlula.

21 Watî u-Elazare umenzeleleli kumadoda omkôsi abeye kulomfazwe, Nguwo lowo ummiselo womyalelo u-Yehova ammiseleyo u-Moses.

22 Kodwa i-golide, ne-silvere, nobêdu, nesinyiti, ne-tin, ne-lotê,

23 Yonke into enokumelana nomlilo, noyicandisa emlilweni, ihlambûluke, kodwa-ke ihlanjululwe ngamanzi okuhlamb'ukuncôla; ke yonke into engenakô ukumelana nomlilo, noyicandisa emanzini;

24 Nihlambê ingubo zenu ngomhla wesixênxe, nohlambûluka-ke, ningene emveni koko eminqubeni.

25 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, watî,

26 Bala inani lamaxôba atînjiweyo awabantu nawenkomo, wena no-Elazare umenzeleleli, nentloko zendlu zoyise zebandla.

27 Uwahlule kubini amaxôba; pâkatî

Digitized by Google

kwabayilwileyo imfazwe bapûma umkôsi, nebandla lonke;

28 Ufumele u-Yehova inani kumadoda okulwa apûme umkôsi, umpêfumlo ube mnye emakûlwini amahlanu, kubo abantu, nakuzo inkomo, nakuwo ama-esile, nakuyo impahl' emfutshane.

29 Notâbatâ esiqingatêni sabo, unike u-Elazare umenzeleleli, ibe ngumfumo ka-Yehova.

30 Esiqingatêni sonyana baka-Sirayeli wotâbatâ ibe-nye, ekêtîweyo emashumini amahlanu kubo abantu, nakuzo inkomo, nakuwo ama-esile, nakuyo impahl' emfutshane, nakuwo amaqegu onke, unike aba-Levi abagcina isigxina somnquba ka-Yehova.

31 Wenza-ke u-Moses no-Elazare umenzeleleli njengoko u-Yehova wamwiselayo umtêtô u-Moses.

32 Ke amaxôba, amasalela ezinto ezipângiweyo, abebezipângile abantu bomkôsi; aba ngamakûlu omatândatû amawaka, anamanci asixénxe amawaka, anesihlanu samawaka empahl' emfutshane,

33 Ngamashumi osixénxe amawaka, anesibini samawaka enkomo,

34 Ngamashumi omatândatû amawaka, anawaka-nye ama-esile;

35 Neziqu zabantu emankazaneni angalalanga nandoda, zonke iziqu ngamashumi omatâtû anesibini samawaka.

36 Isiqingatâ, isabelo sabapûma umkôsi ngokwenani, saba yimpahl' emfutshane engamakûlu omatâtû amawaka, anamanci matâtû amawaka, anesixénxe samawaka, anamakûlu mahlanu.

37 Inani lika-Yehova empahlen' emfutshane, ngamakûlu omatândatû, anamanci asixénxe anantlanu.

38 Inkomo, ngamashumi omatâtû amawaka, anesitândatû samawaka. Kuzo, inani lika-Yehova ngamashumi osixenxe anambîni.

39 Ama-esile, ngamashumi omatâtû amawaka, anamakûlu omahlanu. Kuwo, inani lika-Yehova ngamashumi omatândatû ananye.

40 Iziqu zabantu, lishumi elinesitândatû lamawaka. Kuzo, inani lika-Yehova, iziqu zabantu ngamashumi omatâtû anazibini.

41 U-Moses inani-elo walinika u-Elazare umenzeleleli, ukuba libe ngumfumo ka-Yehova, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

42 Isiqingatâ sonyana baka-Sirayeli, awasahlulayo u-Moses kweyamadoda abepûme umkôsi,

43 Isiqingatâ esisesebandla, empahlen' emfutshane, saba ngamakûlu omatâtû amawaka, anamanci matâtû amawaka, anesixénxe samawaka, anamakûlu mahlanu;

44 Inkomo, ngamashumi omatâtû amawaka, anesitândatû samawaka;

45 Ama-esile, ngamashumi omatâtû amawaka, anamakûlu mahlanu;

46 Iziqu zabantu; lishumi elinesitândatû lamawaka.

47 Wacapûla u-Moses esiqingatêni sonyana baka-Sirayeli into ekêtîweyo yanye emashumini omahlanu ebantwini, nasezinkomeni, wazinika aba-Levi, abagcina isigxina somnquba ka-Yehova, njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

48 Basondela ku-Moses abaveleli abebe ngabamawaka omkôsi, abatêtêli-waka nabatêtêli-kûlu,

49 Batî ku-Moses, Abakônzi bakô balibalile inani lamadoda okûlwa, abe sezandleni zetû, akukô nanye indoda engekôyo kutî.

50 Sisondeze umsondezo ka-Yehova elowo ngokufumana kwakê, impahla ye-golide, imixâka, nezacôlo, nemisesane yokutywina, namajikazi, nezidanga, ukuba siyicamagushele imipêfumlo yetû pâmbî ko-Yehova.

51 Wayitâbatâ u-Moses no-Elazare umenzeleleli i-golide kubo, yonke impahla esetyenziweyo.

52 Yonke i-golide yomfumo abebeyifumele u-Yehova yaba zi-shekele ezilishumi elinesitândatû lamawaka, anamakûlu osixénxe, anamanci mahlanu, evela kubatêtêli-waka, evela kubatêtêli-kûlu.

53 Amadoda abepûme umkôsi abezitîmbêle.

54 Wayitâbatâ u-Moses no-Elazare umenzeleleli i-golide kubatêtêli-waka nakubatêtêli-kûlu, bayingenisa en-tenteni yokuhlangana; yaba sikûmbûzo sonyana baka-Sirayeli pâmbî ko-Yehova.

32 Onyana baka-Ruben nonyana baka-Gadi babe nemfuyo eninzi, inkulu kunene; balibona ilizwe lase-Ya-

Digitized by Google

zere nelizwe lase-Giliyadi; nantso londawo iyindawo yemfuyo.

2 Beza onyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben, batêtâ ku-Moses naku-Elazare umenzeleleli, nakwizikûlu zebandla, batî,

3 I-Ataroti, ne-Dibon, ne-Yazere, ne-Nimra, ne-Heshbon, ne-Elale, ne-Sebam, ne-Nebo, ne-Behon,

4 Ilizwe awalibetâyo u-Yehova pâmbî kwebandla lakwa-Sirayeli, lilizwe lemfuyo, ke abakônzi bakô banemfuyo.

5 Batî, Ukuba usibabale, abakônzi bakô mabanikwe elozwe ukuba libe lelabo; ungasiwezi i-Yordan.

6 Watî u-Moses konyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben, Baye emfazweni abazalwana benu, nihlale apâ-na nina?

7 Yinina ukuba nizityâfise intliziyo zonyana baka-Sirayeli, ukuba bangaweleli ezweni, abanika lona u-Yehova.

8 Benje njalo oyihlo ekubasuseni kwam e-Kadeshe-barneha, ukuba balikângele ilizwe;

9 Benyuka bada baya esihlanjeni sakwa-Eshkoli, balibona ilizwe, bazityafisa intliziyo zonyana baka-Sirayeli, ukuba bangayi ezweni abanikayo u-Yehova.

10 Wavutâ umsindo ka-Yehova ngalomhla, wafunga, watî,

11 Ndobona ukuba okê awubone amadoda anyukayo e-Yiputa, atâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, enyusa, umhlaba endawufungela u-Abraham no-Isake no-Yakobi, kuba engakuzalisanga ukundilandela;

12 Inge ngu-Kalebi unyana ka-Yefune um-Kenazi, no-Yoshuwa unyana ka-Nun; ngokuba bekuzalisile ukumlandela u-Yehova bona.

13 Wavutâ umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, wawabadulisa entlango iminyaka emashumi mane, sada sagqitywa sonke isizukulwana, esaye senze ububi emehlweni ka-Yehova.

14 Nanku nisuke nema esikûndleni soyihlo, nikukwanda kwamadoda awônayo, ukongeza ngakumbî ekuvutêni komsindo ka-Yehova kwa-Sirayeli.

15 Xa nitê nabuya ekumlandeleni, wopinda kanjalo abasalise entlango, nibonakalise-ke ababantu bonke.

16 Basondela kuye batî, Izibaya zempahl' emfutshane siya kuzibiyela imfuyo yetû apâ, imizi siyakêle usapo lwetû;

17 Ke tîna siya kukâuleza sixôbe sihambê pâmbî konyana baka-Sirayeli, side sibase endaweni yabo; usapo lwetû luhlale emizini enqatyisiweyo ngenxa yabemi balo ilizwe.

18 Asiyi kubuyela ezindlwini zetû, bade onyana baka-Sirayeli balizuze ilifa, elowo ilifa lakê.

19 Kuba asiyi kudla lifa nabo pêsheya kwe-Yordan nangapâya, xa ilifa letû silizuze nganeno kwe-Yordan ngasempumalanga.

20 Watî u-Moses kubo, Ukuba nitê nalenza elolizwi, ukuba nitê naxôbela imfazwe pâmbî ko-Yehova,

21 Bayiwela i-Yordan bonke abaxôbileyo kuni behambâ pâmbî ko-Yehova, bada bazigqogqa intshaba zabo pâmbî kwabo,

22 Leyiswa ilizwe pâmbî ko-Yehova, nabuya emveni koko; noba msulwa-ke ku-Yehova naku-Sirayeli, elilizwe libe lelenu pâmbî ko-Yehova.

23 Ke ukuba anitânga nenje njalo, yabonani; noba nonile ku-Yehova, nazi ukuba isono senu siyakunifumana.

24 Yakêleni imizi intsapo yenu, nezibaya zempahla yenu emfutshane, niyenze lento ipûmileyo emlonyeni wenu.

25 Batêtâ onyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben, batî, Abakônzi bakô baya kwenza njengoko inkosi yetû iwise umtêtô.

26 Abantwana betû, nabafazi betû, nemfuyo yetû, namaqegu etû onke oba kôna emizini yase-Giliyadi;

27 Ke abakônzi bakô baya kuwela, bonke abomkôsi, bexôbele imfazwe pâmbî ko-Yehova, njengoko inkosi yetû itshoyo.

28 U-Moses wamwisela umtêtô ngabo u-Elazare umenzeleleli, no-Yoshuwa unyana ka-Nun, nentloko zezindlu zoyise zezizwe zonyana baka-Sirayeli.

29 Watî u-Moses kubo, Ukuba onyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben batê bawela nani e-Yordan, bonke bexôbele imfazwe pâmbî ko-Yehova, laza leyiswa ilizwe pâmbî kwenu: nobanika ilizwe lase-Giliyadi, ukuba libe lelabo;

30 Ke ukuba abatânga bawele bexôbile nani, boba nelifa pâkatî kwenu ezweni lakwa-Kanan.

31 Bapêndula onyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben, batî, Oko akutêtîleyo u-Yehova kubakônzi bakô, baya kukwenza.

32 Tîna siya kuwela sixôbile pâmbî ko-

Digitized by Google

Yehova, siye ezweni lakwa-Kanan, ukuze ibe yeyetû inzuzo yelifa letû nganeno kwe-Yordan.

33 U-Moses wabanika onyana baka-Gadi nonyana baka-Ruben nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase unyana ka-Yosefu, ubukumkani buka-Sihon ukumkani wama-Amori, nobukumkani buka-Ogi ukumkani wase-Bashan, ilizwe-elo ngokwemizi yalo nemida yalo imizi yelizwe-elo ngenxa zonke.

34 Bayakâ onyana baka-Gadi i-Dibon, ne-Ataroti, ne-Arohere,

35 Ne-Atroti-shofan, ne-Yazere, ne-Yogebeha,

36 Ne-Bete-nimra, ne-Bete-haran imizi enqatyisiweyo, nezibaya zempahl' emfutshane.

37 Onyana baka-Ruben bayakâ i-Heshbon, ne-Elale, ne-Kiriyatayim,

38 Ne-Nebo, ne-Bahali-mehon, (iguqulwe amagama ayo) ne-Sibema, bayibiza ngamagama wambî imizi abayakâyo.

39 Baya onyana baka-Makire unyana ka-Manase e-Giliyadi, bayitîmba, bawagqogqa ama-Amori abe kuyo.

40 U-Moses wamnika elase-Giliyadi u-Makire unyana ka-Manase, wahlala kulo.

41 U-Yahire unyana ka-Manase waya wazitîmbâ i-lali zakôna, watî yi-Havotiyahire.

42 U-Noba waya wayitîmbâ i-Kenati namagxamesi ayo, watî igama layo yi-Noba.

33 Zizo ezi imfuduka zonyana baka-Sirayeli, abapûmayo ezweni lase-Yiputa ngokwemikôsi yabo ngesandla sika-Moses no-Aron.

2 U-Moses wakubâla ukupûma kwabo ngokwemfuduka zabo ngokomlomo ka-Yehova. Zizo-ke ezi imfuduka zabo ngokupûma kwabo:

3 Banduluka e-Rameses ngenyanga yokuqala, ngosuku lweshumi elinesihlanu lwenyanga yokuqala; ngengomso emva kwe-pasika bapûma onyana baka-Sirayeli ngesandla esipâkamileyo emehlweni ama-Yiputa onke;

4 Ama-Yiputa ayencwâba abo wababetâyo u-Yehova kuwo, bonke abamazibulo; nasezitîxweni zabo u-Yehova wenza izigwebo.

5 Banduluka onyana baka-Sirayeli e-Rameses, bamisa *in-tente* e-Sukoti.

6 Banduluka e-Sukoti, bamisa e-Etam esesipêlweni sentlango.

7 Banduluka e-Etam, babuyela ngase-Pihahiroti, epâmbî kwe-Bahali-tsefon, bamisa pâmbî kwe-Migidoli.

8 Banduluka pâmbî kwe-Hahiroti, baluwela ulwandle, baya entlango, bahambâ uhambô lwemini ezintatû entlango ye-Etam, bamisa e-Mara.

9 Banduluka e-Mara, bafika e-Elim; kwakukô e-Elim apô imitômbô yamanzi elishumi elinamibini, nemitî yesundu engamashumi asixênxe, bamisa kôna.

10 Banduluka e-Elim, bamisa ngase-Lwandle olubomvu.

11 Banduluka e-Lwandle olubomvu, bamisa entlango ye-Sin.

12 Banduluka entlango ye-Sin, bamisa e-Dofeka.

13 Banduluka e-Dofeka, bamisa e-Alushe.

14 Banduluka e-Alushe, bamisa e-Refidim, apô kwakungekô manzi okuba abantu basele.

15 Banduluka e-Refidim, bamisa entlango ye-Sinayi.

16 Banduluka entlango ye-Sinayi, bamisa e-Kibroti-hatahava.

17 Banduluka e-Kibroti-hatahava, bamisa e-Hatseroti.

18 Banduluka e-Hatseroti, bamisa e-Ritema.

19 Banduluka e-Ritema, bamisa e-Rimon-peretse.

20 Banduluka e-Rimon-peretse, bamisa e-Libena.

21 Banduluka e-Libena, bamisa e-Risa.

22 Banduluka e-Risa, bamisa e-Kehelata.

23 Banduluka e-Kehelata, bamisa entabeni ye-Shefere.

24 Banduluka entabeni ye-Shefere, bamisa e-Harada.

25 Banduluka e-Harada, mamisa e-Makeloti.

26 Banduluka e-Makeloti, bamisa e-Tahati.

27 Banduluka e-Tahati, bamisa e-Tara

28 Banduluka e-Tara, bamisa e-Miteka.

29 Banduluka e-Miteka, bâmisa e-Hashemona.

30 Banduluka e-Hashemona, bamisa e-Moseroti.

31 Banduluka e-Moseroti, bamisa e-Bene-yahakan.

Digitized by Google

32 Banduluka e-Bene-yahakan, bamisa emqolombéni wase-Gidegadi.
33 Banduluka emqolombéni wase-Gidegadi, bamisa e-Yotebata.
34 Banduluka e-Yotebata, bamisa e-Abrona.
35 Banduluka e-Abrona, bamisa e-Etsiyon-gebere.
36 Banduluka e-Etsiyon-gebere, bamisa entlango ye-Tsin eyi-Kadeshe.
37 Banduluka e-Kadeshe, bamisa entabeni ye-Hore esipélweni selizwe lakwa-Edom.
38 Wenyuka u-Aron umenzeleleli, waya entabeni ye-Hore ngokómlomo ka-Yehova, wafela kóna ngomnyaka wamashumi amane wokupúma konyana baka-Sirayeli ezweni lama-Yiputa, ngenyanga yesihlanu ngolokuqala enyangeni-leyo.
39 U-Aron waye minyaka ilikúlu linamanci mabini anamitátú ezelwe, ekufeni kwakè entabeni ye-Hore.
40 Weva um-Kanan ukumkani wase-Aradi, owayehleli kwelise-Zantsi ezweni lakwa-Kanan, ukuba bafikile onyana baka-Sirayeli.
41 Banduluka entabeni ye-Hore, bamisa e-Tsalimona.
42 Banduluka e-Tsalimona, bamisa e-Punon.
43 Banduluka e-Punon, bamisa e-Oboti.
44 Banduluka e-Oboti, bamisa e-Iyim-abarim emdeni wakwa-Mowabi.
45 Banduluka e-Iyim, bamisa e-Dibon yakwa-Gadi.
46 Banduluka e-Dibon yakwa-Gadi, bamisa e-Alimon-diblatayim.
47 Banduluka e-Alimon-diblatayim, bamisa ezintabeni ze-Abarim pámbí kwe-Nebo.
48 Banduluka ezintabeni ze-Abarim, bamisa ezinqantosini zakwa-Mowabi, ngase-Yordan malunga ne-Yeriko.
49 Bamisa ngase-Yordan, betábatéla kwi-Bete-yeshimoti, besa kwi-Abele-shitim ezinqantosini zakwa-Mowabi.

50 Watêtá u-Yehova ku-Moses ezinqantosini zakwa-Mowabi, ngase-Yordan malunga ne-Yeriko, esití,
51 Têtá konyana baka-Sirayeli, utí kubo, Xa nitè nayiwela i-Yordan, nangena ezweni lakwa-Kanan,
52 Nobagqogqa bonke abemi belizwe pámbí kwenu niwacítè onke amatye angumfanekiso, nemifanekiso yabo yonke etyídiweyo niyicítè, nazo zonke iziganga zabo nizitshabalalise,
53 Nilihlute ilizwe, nihlale kulo; kuba ndininikile ilizwe-eli ukuba nime kulo;
54 Nilabe ilizwe ngamaqashiso ngokwemizalwane yenu; omninzi nolenza lininzi ilifa lawo, omncinane nilenze lincinane ilifa lawo; ingulowo ube sendaweni elotí liwe kuyo iqashiso lawo; nolidla ilifa ngokwezizwe zoyihlo.
55 Ukuba anitánga nibagqogqe abemi belizwe pámbí kwenu, kotí abo nibasalisileyo babe ngameva emehlweni enu, nemviko emacaleni enu, banibandezele ezweni enihleli kulo;
56 Kotí, njengoko ndagqibayo ukwenza kubo, ndenze ngako nakuni.

34 Watêtá u-Yehova ku-Moses, esití,
2 Bawisele onyana baka-Sirayeli umtêtó, utí kubo, Xa nitè nangena ezweni lakwa-Kanan, (lilo eli ilizwe eliya kuwela kuni libe lilifa, ilizwe lakwa-Kanan ngokwemida yalo):
3 Icala lenu lase-Zantsi lotábatéla entlango ye-Tsin ngasemacaleni akwa-Edom; nomda wenu wase-Zantsi wotábatéla esipélweni so-Lwandle lwetyuwa ngasempumalanga;
4 Umda wenu ujikele e-Zantsi, uye ekunyukeni kwe-Akrabim, udlule uye e-Tsin, nokupúma kwawo usinge e-Zantsi e-Kadeshe-barneha; upúme uye e-Hatsare-adare, udlule uye e-Atsemon;
5 Umda ujikele e-Atsemon uye emlanjaneni wase-Yiputa; ukupúma kwawo usinge elwandle.
6 Umda wenu wasentshonalanga woba lulwandle olukúlu, nommandla *walo;* lowo woba ngumda wenu wasentshonalanga.
7 Woba nguló umda wenu wangase-Ntla: notábatéla elwandle olukúlu, nizisikele intaba ye-Hore,
8 Nitábatéle entabeni ye-Hore, nisike niye e-Hamati; ukupúma komda uye e-Tsedada;
9 Upúme umda uye e-Zifron; ukupúma kwawo ume e-Hatsare-enan; ngumda wenu wangase-Ntla ke-lowo.
10 Nizisikele umda wasempumalanga, nitábatéle e-Hatsare-enan, nise e-Shefam;
11 Uhle umda e-Shefam, uye e-Ribela,

Digitized by Google

ngasempumalanga e-Ayin, uhle umda utâne-nqipu negxalaba lolwandle lwase-Kinerete ngasempumalanga;

12 Umda uhle i-Yordan; ukupûma kwawo kume ngo-Lwandle lwetyuwa. Loba lilizwe lenu-elo ngokwemida yalo ngenxa zonke.

13 U-Moses wabawisela umtêtô onyana baka-Sirayeli, esitî, Lilo elo ilizwe enolabelwa ngeqashiso, awise umtêtô ngalo u-Yehova wokuba linikwe izizwe ezisitôba ezinesiqingatâ sesizwe.

14 Ngokuba isizwe sonyana baka-Ruben ngokwezindlu zoyise, nesizwe sonyana baka-Gadi ngokwezindlu zoyise, nesiqingatâ sesizwe sika-Manase sesilizuzile ilifa laso.

15 Izizwe ezibini nesiqingatâ sesizwe zilizuzile ilifa lazo nganeno kwe-Yordan, malunga ne-Yeriko ngasempumalanga pâmbîli.

16 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

17 Ngawo la amagama amadoda aya kunabela ilizwe ukuba libe lilifa: u-Elazare umenzeleleli, no-Yoshuwa unyana ka-Nun.

18 Notâbatâ isikûlu sibe sinye, isikûlu sibe sinye esizweni, nilabe ilizwe ukuba libe lilifa.

19 Ngawo la amagama alomadoda: esizweni sakwa-Yuda: ngu-Kalebi unyana ka-Yefune.

20 Esizweni sonyana baka-Simon: ngu-Shemuweli unyana ka-Amihude.

21 Esizweni sakwa-Benyamin: ngu-Elidade unyana ka-Kiselon.

22 Esizweni sonyana baka-Dan sikûlu esingu-Buki unyana ka-Yogeli.

23 Konyana baka-Yosefu, esizweni sonyana baka-Manase: sikûlu esingu-Haniyeli unyana ka-Efodi.

24 Esizweni sonyana baka-Efrayim: sikûlu esingu-Kemuweli unyana ka-Shifitan.

25 Esizweni sonyana baka-Zebulon: sikûlu esingu-Elitsafan unyana ka-Parnaki.

26 Esizweni sonyana baka-Isakare: sikûlu esingu-Palatiyeli unyana ka-Azan.

27 Esizweni sonyana baka-Ashere: sikûlu esingu-Ahihudi unyana ka-Shelomi.

28 Esizweni sonyana baka-Nafetali: sikûlu esingu-Pedayeli unyana ka-Amihude.

29 Ngabo abo, awabawiselayo umtêtô u-Yehova wokuba bababele ilifa onyana baka-Sirayeli ezweni lakwa-Kanan.

35 Watêtâ u-Yehova ku-Moses ezinqântosini zakwa-Mowabi ngase-Yordan, malunga ne-Yeriko, esitî,

2 Bawisele onyana baka-Sirayeli umtêtô, ukuba babanike aba-Levi elifeni lenzuzo yabo imizi yokuba bahlale kuyo, nibanike aba-Levi namadlelo ngasemizini yabo ngenxa zonke;

3 Imizi yabo ibe yeyokuhlala, amadlelo ayo abe ngawenkomo zabo, nempahla yabo, nento yabo yonke epîlileyo.

4 Amadlelo emizi enobanika aba-Levi otâbatêla eludongeni lomzi ase ngapândle, abe zi-kubite eziliwaka ngenxa zonke;

5 Nilinganise nitâbatelâ ngapândle komzi icala lasempumalanga, libe zi-kubite ezingamawaka amabini, icala langase-Zantsi libe zi-kubite ezingamawaka amabini, icala lasentshonalanga libe zi-kubite ezingamawaka amabini, icala langase-Ntla libe zikubite ezingamawaka amabini; umzi ube sesazulwini, lawo oba ngamadlelo emizi yabo.

6 Imizi eniya kuyinika aba-Levi yoba nemizi emitândatû yokusabela, enobanika ukuba abalekele kuyo umbulali, kuleyo nongeze imizi engamashumi amane anamibini.

7 Yonke imizi enobanika yona aba-Levi yoba yimizi engamashumi amane anesibôzo, namadlelo ayo.

8 Imizi enobanika enzuzweni yonyana baka-Sirayeli noyenza mininzi kwesininzi, niyenze mincinane kwesincinane; eso isizwe ngokomlinganiso welifa laso esiya kulidla, sobanika aba-Levi emizini yaso.

9 Watêtâ u-Yehova ku-Moses, esitî,

10 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî kubo, Xa nitê nayiwela i-Yordan, nafika ezweni lakwa-Kanan,

11 Nozihlelela imizi ibe yimizi yenu yokusabela, abalekele kuyo umbulali obulele umntu ngengozi;

12 Ibe yimizi yenu yokusaba kumpîndezeli, angafi umbulali, ade eme pâmbî kwebandla, litêtwe ityala lakê.

13 Ke imizi enobanika yoba yimizi yenu yokusabela emitândatû.

14 Nganeno kwe-Yordan nobanika imizi emitâtû; ezweni lakwa-Kanan nobanika imizi emitâtû, ibe yimizi yokusabela.

15 Lomizi mitândatû ibe yeyokusabela konyana baka-Sirayeli, nakumpâmbûkeli, nakundwendwe olupâkatî kwenu, babale-

Digitized by Google

kele kuyo bonke ababulele umntu ngengozi.

16 Ukuba utê wambetâ ngentsimbî, wafa: ungumbulali; wobulawa afe umbulali lowo.

17 Ukuba utê wambetâ ngelitye elisesandleni, angafayo ngalo, wafa: ungumbulali; makabulawe afe umbulali lowo.

18 Nokuba utê wambeta ngento engumtî osesandleni, angafayo ngayo, wafa: ungumbulali; makabulawe afe umbulali lowo.

19 Umpîndezeli wegazi wombulala ngokwakê umbulali lowo; akuqubisana naye wombulala ngokwakê.

20 Ukuba utê wamtyâla ngokumtîya, nokuba umgibisele emzonda, wafa;

21 Nokuba utê wambetâ ngesandla sakê ngobutshaba, wafa: makabulawe afe lowo umbetîleyo; ungumbulali yena; umpîndezeli wegazi wombulala umbulali lowo akuqubisana naye.

22 Ukuba utê wamqubula wamtyâla enge nabutshaba, nokuba umgibisele ngempahla nokuba nangayipîna into, engamzondi,

23 Nokuba lilitye angafayo ngalo, engamboni, amwisele ngalo, enge nabutshaba naye, engafuni kumenza nto imbî:

24 Liyakwahlula ibandla pâkatî kobetîleyo nompîndezeli wegazi ngokwezozigwebo,

25 Limhlangule ibandla umbulali esandleni sompîndezeli wegazi, limbuyisele ibandla emzini wokusabela kwakê, abebalekele kuwo, ahlale kuwo ade afe umenzeleleli omkûlu otânjisiweyo nge-oli engcwele.

26 Ukuba umbulali utê wapûma ngapândle komda womzi wokusabela kwakê abebalekele kuwo,

27 Umpîndezeli wegazi wamfumana engapândle komda womzi wokusabela kwakê, umpîndezeli wegazi wambulala umbulali lowo, akayi kuba natyala lagazi lowo.

28 Kuba ange ehleli emzini wokusabela kwakê kwada kwafa umenzeleleli omkûlu; ke emveni kokufa komenzeleleli omkûlu umbulali wobuyela emhlabeni wenzuzo yakê.

29 Ezozinto zoba ngummiselo wokugweba kuni kwizizukulwana zenu emakâya enu onke.

30 Bonke ababulele umntu, makabulawe umbulali lowo ngomlomo wamanqîna; kodwa inqîna lilinye alikunqîna ngomntu afe.

31 Ize ningatâbatî lucamagusho ngenxa yompêfumlo wombulali osukuba engongendawo engowokufa, makabulawe afe.

32 Ize ningatâbatî lucamagusho ngenxa yobalekele emzini wokusabela kwakê, ukuba abuye eze kuhlala emhlabeni *wakê* ade afe umenzeleleli.

33 Ize ningalihlambêli ilizwe enikulo, kuba ligazi elihlambêla ilizwe; ilizwe-ke alinakucanyagushelwa ngenxa yegazi elipâlaziweyo kulo, kunge ngagazi lowalipâlazayo.

34 Ningalenzi nqambî-ke ilizwe enihleli kulo, endihleli kulo; kuba mna Yehova ndihleli pâkatî konyana baka-Sirayeli.

36 Kwasondela intloko zezindlu zoyise ngokwemizalwane yonyana baka-Giliyadi unyana ka Makire, unyana ka-Manase, wasemizalwaneni yonyana baka-Yosefu, batêtâ pâmbî ko-Moses napâmbî kwezikûlu, intloko zezindlu zoyise zonyana baka-Sirayeli,

2 Batî, U-Yehova wayiwisela umtêtô inkosi yetû, ukuba ibanike ilizwe ngamaqashiso onyana baka-Sirayeli, ukuba libe lilifa; inkosi yetû-ke yawiselwa umtêtô ngu-Yehova, ukuba ilifa lika-Tselofehade umzalwana wetû ilinike intombî zakê.

3 Ke ukuba zitê zaba ngabafazi botîle konyana bezizwe zonyana baka-Sirayeli, loncitshiswa ilifa lobawo lilifa lazo, longezelelwe kwilifa lesizwe eziya kuba kuso, lincitshiswe iqashiso lelifa letû.

4 Ukuba utê wafika umnyaka wokuhlokomisa ngesigodlo konyana baka-Sirayeli, losuka longezelelwe ilifa lazo kwilifa lezizwe eziya kuba kuso, lincitshiswe ilifa lesizwe sobawo lilifa lazo.

5 Wabawisela-ke u-Moses umtêtô onyana baka-Sirayeli ngokomlomo ka-Yehova, esitî, Isizwe sonyana baka-Yosefu silungisile ukutêtâ.

6 Lilo eli ilizwi alenze umtêtô u-Yehova ezintombîni zika-Tselofehadi, utî, Mazendele kulowo zimtândileyo, kodwa mazendele emzalwaneni wesizwe soyise;

7 Ukuze lingashenxi ilifa lonyana baka-Sirayeli, lisuke kwesinye isizwe, liye kwesinye isizwe, ngokuba baya kunamatêla onyana baka-Sirayeli elowo elifeni lesizwe soyise.

Digitized by Google

8 Zonke intombî ezinelifa ezizweni zonyana baka-Sirayeli ziya kwendela kotîle emzalwaneni wesizwe soyise, ukuze onyana baka-Sirayeli babe nalo elowo ilifa loyise;

9 Ukuze lingashenxi ilifa esizweni, liye sizweni simbî, kuba izizwe zonyana baka-Sirayeli ziya kunamatêla eso elifeni laso.

10 Njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses, zenje njalo intombî zika-Tselofehade:

11 U-Mala, no-Tirtsa, no-Hogela, no-Milka, no-Noha, intombi zika-Tselofehade zendela konyana babazalwana boyise.

12 Zendela emizalwaneni yonyana baka-Manase unyana ka-Yosefu; ilifa lazo laba sesizweni somzalwane woyise.

13 Yiyo leyo imitêtô namasiko awawawisayo u-Yehova ngesandla sika-Moses, konyana baka-Sirayeli ezinqantosini zakwa-Mowabi ngase-Yordan, malunga ne-Yeriko.

INCWADI YESIHLANU KA-MOSES,

LEYO KUTIWA

YI-DUTERONOMI.

ISIQENDU I.

NGAWO la-ke amazwi, awawatêtâyo u-Moses kuma-Sirayeli onke pêsheya kwe-Yordan entlango, e-Araba, malungana no-Lwandle olubomvu, pâkatî kwe-Paran, ne-Tofele, ne-Laban, ne-Hatseroti, ne-Dizahabi.

2 Zintsuku ezilishumi elinalunye ukusuka e-Horebe, ngendlela yentaba yakwa-Sehire, ukuya e-Kadeshe-barneha.

3 Ngomnyaka wamashumi omane, ngenyanga yeshumi elina-nye, ngolokuqala enyangeni-leyo, watêtâ u-Moses konyana baka-Sirayeli ngako konke u-Yehova abemwisele umtêtô ngako kubo;

4 Emveni kokumbulala kwakê u-Sihon ukumkani wama-Amori, obemi e-Heshbon, no-Ogi ukumkani wase-Bashan, obemi e-Ashtaroti nase-Edreyi:

5 Pêsheya kwe-Yordan ezweni lakwa-Mowabi, waqala u-Moses ukubaqononondisa lomyalelo, esitî,

6 U-Yehova u-Tîxo wetû watêtâ kutî e-Horebe, watî, Kukade nihleli kulentaba;

7 Jikani ninduluke, niye entabeni yama-Amori, nakubo bonke abamelene nayo, e-Araba, ezintabeni, nasesihlanjeni, nakwelase-Zantsi, nangase-lwandle, ezweni lama-Kanan, nase-Lebanon, nide nise kuwo umlambô omkûlu, umlambo ongum-Frati.

8 Kângelani, ndinisikele ilizwe; ngenani, nakê kwelozwe, wafungayo u-Yehova koyihlo, o-Abraham no-Isake no-Yakobi, ukuba wolinika bona nembêwu yabo emva kwabo.

9 Ndatî kuni, ngeloxesha, Andinakuntwala ndedwa;

10 U-Yehova u-Tîxo wenu unandisile; nanku namhla ningangenkwenkwezi zezulu ukuba baninzi kwenu.

11 U-Yehova u-Tîxo woyihlo makalongeze inanî lenu kaliwaka, kunoko lingako, anisikelele njengoko watêtâyo kuni.

12 Ndingatî-nina ukubutwala ndedwa ubunzima benu, nomtwalo wenu, nembâmbâno yenu?

13 Zikângeleleni amadoda alumkileyo, azingqondi, aziwayo, ngokwezizwe zakomawenu, ndiwamise abe zintloko zenu.

14 Nandipêndula natî, Ilizwi olitêtîleyo lilungile ukuba silenze.

15 Ndabatâbatâ-ke abazintloko zezizwe zakowenu, amadoda alumkileyo, aziwayo, ndawamisa azintloko pêzu kwenu: abatêtêli-waka, nabatêtêli-makûlu, nabatêtêli-mashumi ngamahlanu, nabatêtêli-ma-

Digitized by Google

shumi ngamanye, nabapâtî ngokwezizwe zakomawenu;

16 Ndabawisela umtêtô abapâtî benu ngeloxesha, ndatî, Noyilamla into epâkati kwabazalwana benu, nigwebe ngobulungisa pâkatî komntu nomzalwana wakê, nowasemzini okuye.

17 Ize ningakêtî buso ekugwebeni kwenu, ize nimpûlapûle omncinane njengomkûlu, ninganxungupâliswa bubuso bomntu; ngokuba ukugweba oku kokuka-Yehova: indawo eninqabeleyo noyizisa kum, ndiyive.

18 Ndaniwisela umtêtô ngeloxesha ngezinto zonke enozenza.

19 Sanduluka e-Horebe, sayihambâ yonke lantlango inkulu yoyikekayo, nayibonayo, sihambâ ngendlela yentaba yama-Amori, njengoko u-Yehova u-Tîxo wetû wasiyalelayo sada seza e-Kadeshe-barneha.

20 Ndatî-ke kuni, Nifikile entabeni yama-Amori, awasinikayo u-Yehova u-Tîxo wetû.

21 Kângela, u-Yehova u-Tîxo wakô ulinikele kuwe ilizwe elo; nyuka wakê kulo, njengoko watêtâyo u-Yehova u-Tîxo woyihlo kuwe. Mus' ukoyika, ungankwantyi nokunkwantya.

22 Nasondela-ke kum nina aba nonke, natî, Masisuse amadoda, asandulele, asihlolele ilizwe-elo, asizisele ilizwi lendlela esonyuka ngayo, nemizi esofika kuyo.

23 Lalunga-ke elozwi emehlweni am; ndatabata kuni amadoda alishumi elinamabini, indoda yanye esizweni.

24 Ajika-ke, enyuka aya entabeni, ada afika esihlanjeni sakwa-Eshkoli, asihlola;

25 Atâbatâ isiqâmo selozwe ngesandla sawo, asipâtêla, asizisela ilizwi, atî, Lilizwe elihle asinikayo u-Yehova u-Tîxo wetû.

26 Kanti noko anivumanga kunyuka, nawupîkisa umlomo ka-Yehova u-Tîxo wenu;

27 Nafora ezin-tenteni zenu, natî, Wasikûpâ kuba esitîyile u-Yehova ezweni lase-Yiputa, ukuze asinikele esandleni sama-Amori, asitshabalalise.

28 Siya kunyukela pîna? Abazalwana betû bazinyibilikisile intliziyo zetû, besitî, Abantu bakûlu, bade kunatî; imizi mikûlu inqatyisiwe yada yasa ezulwini; kananjalo nonyana baka-Anaki sibabone kôna.

29 Ndatî-ke kuni, Ize ningangcangcazeli, ningaboyiki.

30 Ngu-Yehova u-Tîxo wenu, ohambâ pâmbî kwenu; yena wonilwela, njengako konke awanenzelayo e-Yiputa emehlweni enu;

31 Nasentlango, apô wakubonayo ukukutwala kuka-Yehova u-Tîxo wakô, njengomntu etwele unyana wakê, ngendlela yonke enahambâ ngayo, nada naza kufika kulendawo.

32 Kanti-ke nakwelozwi anikôlwanga ngu-Yehova u-Tîxo wenu,

33 Ohambâ pâmbî kwenu endleleni, ukuba anihlolele indawo yokumisa in-tente zenu, ngomlilo ebusuku, anibonise indlela enohambâ ngayo, ngelifu emini.

34 Waliva u-Yehova ilizwi lokutêtâ kwenu, wanoburalafume, wafunga, esitî.

35 Akukô ndoda kulamadoda esisizukulwana singendawo iya kukê ilibone ilizwe elihle, elo ndafungayo ukuba ndolinika oyihlo,

36 Inge ngu-Kalebi unyana ka-Yefune, wolibona yena; ndiya kumnika ilizwe awanyatêla pêzu kwalo, yena nonyana bakê, ngenx' enokuba emlandele kwapêla u-Yehova.

37 Kanjalo u-Yehova wandifutêla nam ngenxa yenu, watî, Nawe lo akuyi kungena kôna.

38 U-Yoshuwa unyana ka-Nun, oma pâmbî kwakô, nguye owongena kôna; momeleze, ngokuba yena wowadlisa ilifa elo ama-Sirayeli.

39 Ke intsatshana zenu, ebenisitî zoba lixôba, nabantwana benu abangakwaziyo namhla okulungileyo nokubi, bona bongena kôna; ndolinika bona beme kulo.

40 Ke nina jikani, ninduluke niye entlango ngendlela eya e-Lwandle olubomvu.

41 Napêndula, natî kum, Sonile ku-Yehova; sonyuka tîna, silwe njengako konke asiyalele ngako u-Yehova u-Tîxo wetû. Naxôba-ke elowo impahla yakê yokulwa, nenza bupûtûpûtû ukunyuka intaba.

42 Watî u-Yehova kum, Yiti kubo, Ize ningenyuki, ize ningalwi; kuba andikôna pâkatî kwenu; hleze nigxotwe zintshaba zenu.

43 Ndatêtâ kuni, anapûlapûla; nawupîkisa umlomo ka-Yehova, nagxalatêlana ukunyuka intaba.

Digitized by

44 Apûma-ke ama-Amori ami kulontaba, anihlangabeza, anicitâ, axelisa inyosi, anibetâ kwa-Sehire, ada esa e-Horma.

45 Nabuya-ke nalila pâmbî ko-Yehova; akalipûlapûla u-Yehova izwi lenu, akanibekela ndlebe.

46 Ngoko-ke nahlala e-Kadeshe imihla emininzi njengalomihla nayihlalayo apo.

2 Sanduluka, sabêka entlango ngendlela eya e-Lwandle olubomvu, njengoko u-Yehova watêtâ kum, sayijikeleza intaba yakwa-Sehire imihla emininzi.

2 Watêtâ u-Yehova kum, wati,

3 Kade niyijikeleza lentaba; bêkani ngase-Ntla,

4 Ubawisele abantu umtêtô utî, Niyakugqita-nje emdeni wabazalwana benu, onyana baka-Esau, abemi kwa-Sehire, baya kunoyika; ize nizilumkele-ke kunene.

5 Ize ningabambâni nabo; kuba ezweni labo andikuninika nendawo engangokunyatêla kwentende yonyawo; ngokuba ndimnikile u-Esau intaba yakwa-Sehire ukuba ayime.

6 Ukudla nokutênga kubo ngemali, nidle; namanzi nowembâ kubo ngemali, nisele.

7 Kuba u-Yehova u-Tîxo wakô ukusikelele emsebenzini wonke wesandla sakô. Uyakwazi ukuyihambâ kwakô lentlango inkulu; leminyaka imashumi mane u-Yehova u-Tîxo wakô unawe, akuswelanga nto.

8 Segqita-ke kubazalwana betû, onyana baka-Esau, abemiyo kwa-Sehire, sapâmbûka endleleni ye-Araba, e-Elati nase-Etsiyon-gebere.

Sajika-ke, sadlula ngendlela yentlango yakwa-Mowabi.

9 Watî u-Yehova kum, Uzungawabandezeli ama-Mowabi, uzungabambâni nawo ulwe nawo; kuba andikukunika nto yelizwe lawo uyihlute; kuba i-Are ndiyinike onyana baka-Loti ukuba bayime.

10 Ama-Ema ayemi kulo kudala, engabantu abakûlu, abaninzi, abade njengama-Anaki;

11 Bekusitîwa ngama-Rafa nawo njengama-Anaki; ke ama-Mowabi atî ngama-Ema.

12 Nakwa-Sehire bekumi ama-Hori kudala, koko onyana baka-Esau bawagqogqa, bawatshabalalisa ebusweni babo, bahlala esikûndleni sawo, njengoko akwenzayo ama-Sirayeli ezweni lelifa lawo, abelinikwe ngu-Yehova.

13 Ndatî-ke, ndulukani ngoku, niwele umlanjana we-Zerede; sawuwela-ke umlanjana we-Zerede.

14 Imihla yokuhambâ kwetû sisuka e-Kadeshe-barneha, side siwele umlanjana we-Zerede, yaba yiminyaka emashumi matâtû anesibôzo; sada sapêla sonke esosizukulwana samadoda okulwa pâkatî komkôsi, njengoko u-Yehova wawafungelayo.

15 Saye kananjalo isandla sika-Yehova sipêzu-kwawo, ukuba adutyadutywe pâkatî komkôsi ade agqitywe.

16 Kwatî, xenikweni onke amadoda okulwa ayegqityiwe, afa pâkatî kwabantu,

17 Watêtâ u-Yehova kum, esitî,

18 Namhla uya kugqita emdeni wakwa-Mowabi oyi-Are,

19 Usondela malungana nonyana baka-Amon; uz'ungababandezeli; uz'ungabambâni nabo; kuba ezweni lonyana baka-Amon andikukunika ndawo yakuma; ngokuba ndilinike onyana baka-Lote ukuba limiwe ngabo.

20 Bekusitîwa lilizwe lama-Rafa nalo; bekumi ama-Rafa kôna kudala; ama-Amon ati ngama-Zamzum;

21 Engabantu abakûlu, abaninzi, abade njengama-Anaki; u-Yehova wabatshabalalisa ebusweni babo; babagqogqa, bema esikûndleni sabo;

22 Njengoko wabenzelayo onyana baka-Esau abemiyo kwa-Sehire, wawatshabalalisa ama-Hori ebusweni babo, bawagqogqa, bema esikûndleni sawo unanamhla.

23 Nama-Avi ayemi ezi-lalini ada esa e-Gaza; ama-Kafetori awapûmayo kwelama-Kafetori awatshabalalisa, ema esikûndleni sawo.

24 Sukani ninduluke, niwele umlanjana oyi-Arnon. Yabona, ndimnikele esandleni sakô u-Sihon ukumkani wase-Heshbon, um-Amori, nelizwe lakê; qala, ukulihluta, ubambâne naye, ulwe naye.

25 Ngalemini ndiya kuqala ukubek' ukunkwantya nguwe nokoyikeka kwakô pêzu kwabantu abapântsi kwezulu lonke, abaya kuluva udaba lwakô, bangqunge, bazibîjabîje ngenx' enawe.

26 Ndasusa abatûnywa entlango ye-Ke-

Digitized by Google

demoti, baya ku-Sihon ukumkani wase-Heshbon, benamazwi oxolo okutî,

27 Ndiyeke ndicande ezweni lakô; ndohambâ ngendlela-le yodwa, andiyi kutîgubucala ndiye ekunene nasekôhlo.

28 Ukudla wonditêngela ngemali ndidle, namanzi wondinika ngemali ndisele, ndihambê-nje kodwa ngenyawo;

29 Njengoko benza ngako kum onyana baka-Esau abemiyo kwa-Sehire, nama-Mowabi amiyo e-Are; ndide ndiwele i-Yoredan, ndiye ezweni asinikayo u-Yehova u-Tîxo wetû.

30 Akavuma u-Sihon ukumkani we-Heshbon, ukuba sicande kuye, ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô wamqinisa isibindi, wayenza ingqoshombâ intliziyo yakê, ukuze amnikele esandleni sakô, njengokuba kunjalo namhla.

31 Watî u-Yehova kum, Yabona, ndiqalile ukumnikela kuwe u-Sihon nelizwe lakê; qala ukulihluta ulidle ilifa ilizwe lakê.

32 Wapûma-ke u-Sihon wasihlangabeza, yena nabantu bakê bonke, eza kulwa e-Yatsa.

33 U-Yehova u-Tîxo wetû wamnikela kutî; sambulala, yena nonyana bakê nabantu bakê bonke.

34 Sayitîmbâ yonke imizi yakê ngeloxesha, sawasingela pântsi amadoda emizi yonke, nabafazi, nabantwana; asasalisa namnye usindayo.

35 Zinkomo zodwa esazitîmbêlayo namaxôba emizi esayitîmbâyo;

36 Satâbatêla e-Arohere, eseludinini lomlanjana oyi-Arnon, emzini osesihlanjeni, sada sesa e-Giliyadi, akwabikô mzi usinqabelayo; konke wakunikela kutî u-Yehova u-Tîxo wetû.

37 Lilizwe lonyana baka-Amon lodwa, eningasondelanga kulo: lonke icala lomlanjana oyi-Yaboki, nemizi yasezintabeni nento yonke awawisa umtêtô ngayo u-Yehova u-Tîxo wetû.

3 Sajika, senyuka ngendlela yase-Bashan; wapûma u-Ogi ukumkani wase-Bashan, wasihlangabeza yena nabantu bakê bonke, ukuba kuliwe e-Edreyi.

2 Watî u-Yehova kum, Mus'ukumoyika; ngokuba ndimnikele esandleni sakô, nabantu bakê bonke, nelizwe lakê, uya kwenza kuye njengoko wenza ngako ku-Sihon ukumkani wama-Amori, obemi e-Heshbon.

3 U-Yehova u-Tîxo wetû wamnikela-ke ezandleni zetû u-Ogi ukumkani wase-Bashan, nabantu bakê bonke; sambulala, kwada akwabakô namnye usindayo.

4 Sayitîmbâ yonke imizi yakê ngeloxesha, akwabikô mzi singawutâbatânga kubo: imizi yamashumi matândatû, wonke ummandla wase-Argobi, ubukumkani buka-Ogi e-Bashan.

5 Yonke lomizi ibinqatyiswe ngodonga olupâkâmileyo, namasango, nemivalo; iyodwa imizi yabasemapândleni, eyabi mininzi kunene.

6 Sayisingela pantsi njengoko senzayo ku-Sihon ukumkani wase-Heshbon; sasingela pântsi amadoda emizi yonke, nabafazi nabantwana.

7 Ke zona inkomo zonke namaxôba alomizi sazitîmbêla.

8 Salitâbatâ-ke ngeloxesha ilizwe esandleni sokumkani bobabini bama-Amori, elingapônoshono kwe-Yordan, lisusela kumlanjana oyi-Arnon, lada lesa entabeni ye-Hermon;

9 Ama-Tsidon atî i-Hermon-leyo yi-Siriyon, ke ama-Amori atî yi-Senire:

10 Yonke imizi yehewu, neyelase-Giliyadi lonke, ne-Bashan yonke, kwada kwesa e-Saleka ne-Edreyi, imizi yobukumkani buka-Ogi e-Bashan.

11 Ngokuba ngu-Ogi yedwa, ukumkani wase-Bashan, impunde eyayisele kuma-Rafa. Nantso i-koyi yakê, i-koyi yentsimbî; asiyiyo-na leya ise-Raba yakonyana baka-Amon? izi-kubite ezi-sitôba ubude bayo, izi-kubite ezine ububanzi bayo ngokwe-kubite yabantu.

12 Elolizwe salihlutâ ngeloxesha, sitâbatêla e-Arohere ekumlanjana oyi-Arnon; ne-siqingatâ sentaba ye-Giliyadi, nemizi yayo ndayinika ama-Ruben nama-Gadi.

13 Amasalela ase-Giliyadi nawe-Bashan yonke, ubukumkani buka-Ogi, ndawanika isiqingatâ sesizwe sika-Manase; wonke ummandla we-Argobi ne-Bashan yonke, leyo bekusitîwa lilizwe lama-Rafa.

14 U-Yahire unyana ka-Manase watâbatâ wonke ummandla we-Argobi, wada wesa emdeni wama-Geshuri nama-Mahakati, wawabiza ngegama lakê, watî i-Bashan yi-Havoti-yahire, unanamhla.

15 Ū-Makire ndamnika elase-Giliyadi.

16 Ama-Ruben nama-Gadi ndawanika,

Digitized by Google

nditâbatêla kwelase-Giliyadi, ndada-ke ndesa kumlanjana oyi-Arnon, empôlokohlweni wesihlaimbô, nalommandla *waso*, ndada ndesa nase-Yaboki emlanjaneni, emdeni wonyana baka-Amon;

17 Ne-Araba, ne-Yordan nommandla wayo, nditâbatêla e-Kinerete, ndada ndesa elwandle lwe-Araba, u-Lwandle lwetyuwa, pântsi kwamaxandeka e-Pisga ngasempumalanga.

18 Ndaniwisela umtêtô ngeloxesha, ndisitî, U-Yehova u-Tîxo wenu uninikê elilizwe ukuba nilihlutê. Welani nixôbile pâmbî kwabazalwana benu, onyana baka-Sirayeli, nonke nina bafo banobuhoti.

19 Kodwa abafazi benu nabantwana benu nemfuyo yenu, (ndiyazi ukuba ninemfuyo eninzi,) mabahlale emizini yenu endininike yona;

20 Ade u-Yehova abapûmze abazalwana benu njengani, balime nabo ilizwe-elo abanika lona u-Yehova u-Tîxo wenu pêsheya kwe-Yordan; nibuyele-ke elowo elifeni lakê endininike lona.

21 U-Yoshuwa ndamwisela umtêtô ngeloxesha, ndisitî, Amehlo enu akubonile konke oku akwenzileyo u-Yehova u-Tîxo wenu kwabakumkani bobabini: uya kwenje njalo-ke u-Yehova kwizikumkani zonke owelela kuzo.

22 Ize ningaboyiki; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wenu nguye onilwelayo.

23 Ndatafuzisa ku-Yehova ngeloxesha, ndisitî,

24 Nkosi yam, Yehova, uqalile ukumbonisa umkônzi wakô ubukûlu bakô nesandla sakô esitê-nqî; ngokuba nguwupîna utîxo ezulwini nasemhlabeni, ongenza ngokwezenzo zakô nangokwemisebenzi yakô yobugofa?

25 Makêndiwele kaloku, ndilibone ilizwe-elo lihle, lipêsheya kwe-Yordan, lontaba intle, ne-Lebanon.

26 Wandipûpûmela u-Yehova ngomsindo ngenxa yenu, akandipûlapûla; watî u-Yehova kum, Yanela; mus' ukuba sapînda utêtê kum ngalendawo.

27 Nyuka uye encotsheni ye-Pisga, upôse amehlo akô entshonalanga, nase-Ntla, nase-Zantsi, nasempumalanga, ulikângele ngamehlo; ngokuba akuyi kuyiwela le-Yordan.

28 U-Yoshuwa mwisele umtêtô, umomeleze, umkâlipise; ngokuba yena uya kuwela yena pâmbî kwababantu; yena uya kubadlisa ilifa elilelolizwe oya kulibona.

29 Sahlala-ke esihlanjeni malungana ne-Bete-pehore.

4 Kaloku-ke, Sirayeli, yipûlapûle imimiselo namasiko endinifundisa wona, ukuba niwenze; ukuze nipîle, ningene, nilime ilizwe aninikayo u-Yehova u-Tîxo woyihlo.

2 Ize ningongezi ezwini endiniwisela umtêtô ngalo; ize ningancipîsi nto kulo, ukuze niyigcine imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wenu, endiniwisela yona.

3 Amehlo enu akubonile oko wakwenzayo u-Yehova ku-Bahali-pehore; ngokuba bonke abo babemlandela u-Bahali-pehore, u-Yehova u-Tîxo wakô ubatshabalalisile pâkatî kwakô.

4 Ke nina nanamatêlayo ku-Yehova u-Tîxo wenu, nipîlile nonke namhla.

5 Yabonani, ndinifundise imimiselo namasiko, njengoko ndawiselwa umtêtô ngu-Yehova u-Tîxo wam, ukuze nenze ngokunjalo pâkatî kwelizwe eningena kulo, ukuba nilime.

6 Yigcineni-ke niyenze; ngokuba oku bulumko benu, nengqondo yenu emehlweni abantu, abaya kuyiva yonke lemimiselo, batî, Oluhlanga lukûlu ngabantu abalumkileyo abanengqondo bodwa.

7 Ngokuba lulupîna uhlanga olukûlu, olutîxo usondeleyo kulo njengo-Yehova u-Tîxo wetû ekumbizeni kwetû konke?

8 Lulupîna uhlanga olukûlu olunemimiselo namasiko anobulungisa njengalomyalelo wonke ndiwubekayo pâmbî kwenu namhla?

9 Kodwa zigcine, uwugcine umpêfumlo wakô kunene, hleze uzilibale izinto azibonileyo amehlo akô, hleze zimke entliziyweni yako yonke imihla yokupîla kwakô, uz'uzazise onyana bakô nonyana bonyana bakô,

10 Ngokukodwa umhla owema ngawo pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô e-Horebe, akutî u-Yehova kum, Babizele ndawonye kum abantu, ndibavise amazwi am, ukuze bafunde ukundoyika yonke imihla abapîla ngayo emhlabeni, bafundise nonyana babo.

11 Nasondela, nema pântsi kwentaba, intaba isitsha ngumlilo wada wesa esazu-

Digitized by Google

lwini sezulu, ibubumnyama bamafu nesitokotoko.

12 Watêtâ u-Yehova kuni epâkatî komlilo; nasiva isandi samazwi, anabona mbônakalo, yaba sisandi sodwa.

13 Wanixelela umnqopîso wakê, awaniwisela umtêtô ngawo ukuba niwenze, amazwi alishumi; wawabâla emacwecweni amabini amatye.

14 Wandiwisela umtêtô u-Yehova ngeloxesha, ukuba ndinifundise imimiselo namasiko, ukuba niwenze ezweni eniwelela kulo ukuba nilime.

15 Zigcineni kunene ngenxa yemipêfumlo yenu, ngokuba anibonanga mbônakalo yanto mini watêtâ u-Yehova kuni e-Horebe pâkatî komlilo;

16 Hleze nizonakalise nizenzele umfanekiso oqingqiweyo, imbônakalo yento efana nokuba yiyipî, into emilise okwendoda nokwenkazana,

17 Into emilise okwento yonke ezizitô zine esemhlabeni, into emilise okwentaka yonke enamapîko epâpâzela esibâkabâkeni,

18 Into emilise okwesinambûzane sonke esisemhlabeni, into emilise okwentlanzi zonke ezisemanzini pântsi komhlaba;

19 Hleze uwapâkâmisele ezulwini amehlo akô, ubone ilanga nenyanga nenkwenkwezi, wonke umkôsi wasezulwini, uwexulwe, uqubude kuzo uzikônze, ezo u-Yehova u-Tîxo wakô azabele izizwe zonke pântsi kwezulu lonke.

20 Ke nina unitâbatîle u-Yehova, wanikûpâ kwiziko lesinyitî e-Yiputa, ukuba nibe ngabantu abalilifa kuye, njengoko ninjalo namhla.

21 Pezu koko u-Yehova wandifutêla ngenxa yamazwi enu, wafunga ukuba andiyi kuyiwela i-Yordan, andiyi kungena ezweni elihle akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba libe lilifa;

22 Kuba ndiya kufela kwelilizwe, andiyiweli i-Yordan; ke nina niyakuwela, nilime elolizwe lihle.

23 Zigcineni hleze niwulibale umnqopîso ka-Yehova u-Tîxo wenu, awawenzayo nani, nizenzele umfanekiso oqingqiweyo, imbônakalo yento zonke awakuwisela umtêtô ngazo u-Yehova u-Tîxo wakô.

24 Ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô ungumlilo odlayo, ungu-Tîxo onekŵele.

25 Xa utê wazala abantwana, nabantwana babantwana, kwada kwakudala nihleli kwelozwe, nazonakalisa, nenza umfanekiso oqingqiweyo, imbônakalo yento nokuba yiyipî, nenza okubi emehlweni ka Yehova u-Tîxo wenu, namqumbîsa,

26 Ndinqînisisa izulu nomhlaba namhla ngani, ukuba nodaka mpela kamsinya, ningabikô kwelozwe niwela i-Yordan, nisiya kulo ukuba nilime; anisokuyolula imihla yenu kulo; notshabalala kube kanye;

27 Anipângalalise u-Yehova pâkatî kwezizwe, nisale nibantu bambalwa ezintlangeni, apô u-Yehova aya kuniqûbela kônа;

28 Nikônze kona otîxo abangumsebenzi wezandla zomntu, imitî namatye, abangaboniyo, abangeviyo, abangadliyo, abangajojiyo;

29 Eningatî nimfune kôna u-Yehova u-Tîxo wenu, nimfumane, xa nitê naquqela kuye ngentliziyo yenu yonke nangompêfumlo wenu wonke.

30 Ekubandezelekeni kwenu, zakunifumana zonke ezizinto, ekupêleni kwemihla nobuyela ku-Yehova u-Tîxo wenu, nilipûlapûle ilizwi lakê.

31 Ngokuba ngu-Tîxo onemfesane u-Yehova u-Tîxo wakô; akayi kukuyekela, akayi kukonakalisa, akayi kuwulibala umnqopîso woyihlo awabafungelayo.

32 Kuba kâubuze emihleni yamandulo, eyayikô ngâpambî kwakô, kususela kumhla u-Tîxo awadala umntu emhlabeni, utâbatêle esipêlweni sezulu, ude use esipêlweni sezulu, ukuba kê kwakô-na into enjengalento ukuba nkulu, ukuba kê kwaviwa into enjengale-na?

33 Ukuba bakê baliva-na abantu izwi lo-Tîxo etêtâ pâkatî komlilo, njengoko walivayo wena, bapîla noko?

34 Okanye kukô tîxo wakâ walinga-na ukuya kuzitâbatêla uhlanga pâkatî kohlanga ngezilingo, nangemiqondiso, nangezimanga, nangemfazwe, nangesandla esitê-nôi, nangengalo eyolulweyo, nangokoyikeka okukûlu, njengako konke akwenzileyo kuni u-Yehova u-Tîxo wenu e-Yiputa emehlweni akô?

35 Waboniswa wena, ukuze wazi ukuba u-Yehova nguye u-Tîxo; akukô wumbî, nguye yedwa.

36 Wakuvisa izwi lakê lipûma ezulwini, ukuba akuqeqeshe, nasemhlabeni wakubonisa umlilo wakê omkûlu, waweva namazwi akê pâkatî komlilo.

Digitized by Google

37 Wabatândayo-nje oyihlo, wayinyula nembêwu yabo emva kwabo, wakukûpâ e-Yiputa ngobukô bakê, ngamandla akê amakûlu;
38 Ukuba agqogqe intlanga ezinkulu ezomeleleyo kunawe zingabikô ebusweni bakô; ukuba akungenise, akunike ilizwe lazo libe lilifa, njengoko kunjalo namhla.
39 Yazi-ke namhla, ukunyamekele ngentliziyo yako ukuba u-Yehova nguye u-Tîxo ezulwini pêzulu, nasemhlabeni pântsi; akukô wumbî;
40 Uyigcine imimiselo yakê, nemitêtô yakê, endikumisela yona namhla, ukuba kulunge kuwe, nakonyana bakô emva kwakô, ukuze uyolule imihla yakô emhlabeni, lowo akunika wona u-Yehova u-Tîxo wakô imihla yonke.

41 Waza u-Moses wahlula imizi yamitâtû ngapônoshono kwe-Yordan ngasempumalanga,
42 Ukuba asabele kôna umbulali obulele uwabo ngengozi, ebengamtîyile ngapâmbîli, asabele-ke komnye walomizi, apîle.
43 I-Betsere entlango ezweni lehewu kuma-Ruben, i-Ramoti kwelase-Giliyadi kuma-Gadi; i-Golan e-Bashan kuma-Manase.

44 Nguwo lo umyalelo awawubekayo u-Moses pâmbî konyana baka-Sirayeli:
45 Zizo ezi izinqîno nemimiselo namasiko awawatêtâyo u-Moses konyana baka-Sirayeli ekupûmeni kwabo e-Yiputa,
46 Ngapônoshono kwe-Yordan, emfuleni omalunga ne-Bete-pehore, ezweni lakwa-Sihon ukumkani wama-Amori, obemi e-Heshbon, abambulalayo o-Moses nonyana baka-Sirayeli ekupûmeni kwabo e-Yiputa;
47 Balihlutâ ilizwe lake nelizwe lika-Ogi ukumkani wase-Bashan, okumkani ababini bama-Amori ababe ngapônoshono kwe-Yordan ngasempumalanga,
48 Batâbatêla e-Arohere engaseludinini lomlanjana oyi-Arnon, bada besa entabeni ye-Siyon eyi-Hermon,
49 Ne-Araba yonke ngapônoshono kwe-Yordan ngasempumalanga, bada besa elwandle lwase-Araba ngapântsi kwamaxandeka ase-Pisga.

5 Wawabiza u-Moses ama-Sirayeli onke, watî kuwo, Yivani, ma-Sirayeli, imimiselo namasiko endiwatêtâyo ezindlebeni zenu namhla, ukuze niwafunde, nigcine ukuwenza.
2 U-Yehova u-Tîxo wetû wenza umnqopîso natî e-Horebe.
3 U-Yehova akawenzanga nobawo betû lomnqopîso, wawenze natî aba sikôyo sonke sipêla sipîlile namhla-nje.
4 U-Yehova watêtâ kuni, ekângelene nani entabeni pâkatî komlilo;
5 Ndema pâkatî ko-Yehova nani ngeloxesha, ukuze ndinixelele ilizwi lika-Yehova; ngokuba benisoyika umlilo, ananyuka niye entabeni; watî,

6 Ndingu-Yehova u-Tîxo wakô, owakukûpâyo ezweni lase-Yiputa endlwini yamakôboka.

7 Uz'ungabi natîxo bambî ngapândle kwam.

8 Uz'ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo nokuba ngowayipîna into emilise esezulwini pêzulu, nesemhlabeni pântsi, nesemanzini apântsi komhlaba.
9 Uz'ungaqubudi kwezonto, uz'ungazikônzi; kuba mna Yehova Tîxo wakô ndingu-Tîxo onekŵele, ndibuvelela ubugwenxa boyise konyana nakwesesitâtû nakwesesine isizukulwana sabanditîyileyo;
10 Ndiwenzela inceba amawaka abanditândayo, abayigcinayo imitêtô yam.

11 Uz'ungafumane ulibize igama lika-Yehova u-Tîxo wakô, kuba u-Yehova akayi kumenza omsulwa ofumana alibize igama lakê.

12 Gcina umhla we-sabatâ, ukuba uwungcwalise, njengoko wakuwisela umtêtô u-Yehova u-Tîxo wakô.
13 Wosebenza imihla emitândatû, uwenze wonke umsebenzi wakô;
14 Ke wona umhla wesixênxe uyi-sabatâ ka-Yehova u-Tîxo wakô. Uz'ungenzi namnye umsebenzi, wena, nonyana wakô, nentombi yakô, nomkônzi wakô, nomkônzazana wakô, nenkomo yakô, ne-esile lakô, nento zakô zonke ezizitô zine, nowasemzini osemasangweni akô, ukuze apûmle umkônzi wakô nomkônzazana wakô njengawe;
15 Ukûmbûle, ukuba ubungumkônzi ezweni lase-Yiputa, wakukûpâ kôna u-Yehova u-Tîxo wakô ngesandla esitê-nqi na-

Digitized by Google

ngengalo eyolulweyo; ngenxa yoko ukuwisele umtêtô u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba uwugcine umhla we-sabatâ.

16 Beka uyihlo nonyoko, njengoko akuwisele umtêtô u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuze yolulwe imihla yako, nokuze kulunge kuwe emhlabeni akunika wona u-Yehova u-Tîxo wakô.

17 Uz'ungabulali.

18 Uz'ungaſexezi.

19 Uz'ungebi.

20 Uz'unganqîni ubunqîna obubuxoki ngowenu.

21 Uz'unganqweneli umfazi wowenu; uz'unganqweneli indlu yowenu, nentsimi yakê, nomkônzi wakê, nomkônzazana wakê, nenkomo yakê, ne-esile lakê, nanye into eyiyeyowenu.

22 Lomazwi wawatêtâ u-Yehova ebandleni lenu lonke entabeni-leyo, pâkatî komlilo, efini nasesitôkotôkweni, ngezwi elikûlu, akongeza; wawabâla emacwecweni amatye amabini, wawanika mna.

23 Kwatî, nakuliva ilizwi pâkatî kobumnyama, intaba isitsha ngumlilo; nasondela kum, zonke intloko zezizwe zakowenu namadoda amakûlu akowenu;

24 Natî, Yabona, u-Yehova u-Tîxo wetû usibonisile ubuqaqauli bakê nobukûlu bakê, nelizwi lakê silivile pâkatî komlilo; namhla sibonile, ukuba u-Yehova uyatêtâ nomntu, apîle noko.

25 Ngoko yinina ukuba sife? ngokuba lomlilo mkûlu uya kusidla; ukuba sitê sapînda saliva ilizwi lika-Yehova u-Tîxo wetû, sofa.

26 Kuba ngubanina enyameni yonke, owakê waliva izwi lika-Tîxo ohleliyo etêtâ pâkatî komlilo, njengatî, wapîla noko?

27 Sondela wena, uve konke okutêtwa ngu-Yehova u-Tîxo wetû, ukutêtê wena kutî; konke aya kukutêtâ u-Yehova u-Tîxo wetû kuwe, sokuva sikwenze.

28 Waliva-ke u-Yehova izwi lokutêtâ kwenu ekutêtêni kwenu kum; watî u-Yehova kum, Ndilivile izwi lokutêtâ kwababantu abakutêtîleyo kuwe; bakulungisile konke abakutêtîleyo.

29 Akwaba bebe nalentliziyo yokundoyika, nokuyigcina imitêtô yam yonke, imihla yonke, ukuze kulunge kubo nonyana babo ngonapâkade!

30 Yiya, utî kubo, Buyelani ezin-tenteni zenu.

31 Ke wena, yima apâ ngakum, ndiyitête kuwe yonke imitêtô nemimiselo namasiko, owobafundisa wona, bawenze ezweni-elo ndibanika lona, ukuba balime.

32 Nizigcine ukuba nenze njengoko u-Yehova u-Tîxo wenu waniwisela umtêtô, ningatyekeli ekunene nasekôhlo.

33 Hambâni ngendlela zonke awaniwisela umtêtô ngazo u-Yehova u-Tîxo wenu, ukuze nipîle; kulunge kuni, niyolule imihla ezweni elo niya kulima.

6 Nguwo lo umtêtô, imimiselo-ke kwa namasiko, awaniwiselayo u-Yehova u-Tîxo wenu, ukuba niwufundiswe, niwenze ezweni elo niwelela kulo ukuba nilime;

2 Ukuze umoyike u-Yehova u-Tîxo wakô, uyigcine yonke imimiselo yakê nemitêtô yakê endikuwiselayo, wena, nonyana wakô, nonyana wonyana wakô, yonke imihla yobomi bakô, ukuze yolulwe imihla yakô.

3 Yiva-ke, Sirayeli, ugcine ukwenza, ukuze kulunge kuwe, ukuze nande kunene ezweni elinamasi nobusi, njengoko u-Yehova, u-Tîxo woyihlo, akutêtîleyo kuwe.

4 Yiva, Sirayeli, u-Yehova u-Tîxo wetû ngu-Yehova mnye.

5 Uz'umtânde u-Yehova u-Tîxo wakô ngentliziyo yakô yonke, nangompêfumlo wakô wonke, nangamandla akô onke.

6 Lamazwi, ndikuwisela umtêtô ngawo namhla-nje, az'abe sentliziyweni yakô.

7 Uz'uwatsolise konyana bakô, utêtê ngawo ekuhlaleni kwakô endlwini yakô, nasekuhambêni kwakô ngendlela, nasekulaleni kwakô, nasekuvukeni kwakô;

8 Uwabopê esandleni sakô abe ngumqondiso, abe zikûmbûzo pâkatî kwamehlo akô;

9 Uwabâle emigubasini yendlu yakô, nasemasangweni akô.

10 Kotî, xa atê wakungenisa u-Yehova u-Tîxo wakô kulo ilizwe abelifungele oyihlo, o-Abraham no-Isake no-Yakobi, ukuba akunike: imizi emikûlu, emihle ongayakânga;

Digitized by Google

11 Nezindlu ezizele zinto zonke ezintle, ongazizalisanga; namaqula ambîweyo, ongawambanga; nezi-dîliya nezinquma, ongazityalanga, wadla wahlutâ:
12 Uzigcine, hleze umlibale u-Yehova okukûpîleyo ezweni lase-Yiputa, endlwini yamakôboka.
13 U-Yehova u-Tîxo wakô uz'umoyike, umkônze, ufunge igama lakê.
14 Ningalandeli tîxo bambi kotîxo bezizwe eziningqongileyo;
15 Ngokuba ngu-Tîxo onekŵele u-Yehova u-Tîxo wakô pâkatî kwakô; hleze umsindo ka-Yehova u-Tîxo wakô uvutê ngakuwe ukutshabalalise ungabikô enhlabeni.

16 Zeningamlingi u-Yehova u-Tîxo wenu, njengoko namlingayo e-Masa.
17 Ize niyigcine niyigcinile imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wenu, nezinqîno zakê, nemimiselo yakê, awakuwiselayo;
18 Wenze okutê-tye okulungileyo emehlweni ka-Yehova; ukuze kulunge kuwe, ungene ulime ilizwe elihle, awalifungela oyihlo u-Yehova,
19 Ukuba azigxotê intshaba zakô zonke ebusweni bako, njengoko watêtâyo u-Yehova.

20 Xa atê unyana wakô wakubuza ngomso, esitî, Zezanina ezizinqîno nemimiselo namasiko, aniwiseleyo u-Yehova u-Tîxo wetû?
21 Wotî kunyana wakô, Sibe singabakônzi baka-Faro e-Yiputa; wasikûpâ u-Yehova e-Yiputa ngesandla esitê-nqî;
22 U-Yehova wenza imiqondiso nezimanga ezikûlu ezibi e-Yiputa ku-Faro, nasendlwini yakê yonke, emehlweni etû,
23 Wasikûpâ kôna, ukuze asingenise, ukuba asinike ilizwe-elo abelifungele obawo;
24 Wasiwisela umtêtô u-Yehova, ukuba siyenze lemimiselo yonke, ukuba simoyike u-Yehova u-Tîxo wetû, kulunge kutî yonke imihla, silondolozelwe ebomini, njengoko kunjalo namhla;
25 Koba bulungisa kutî, xa sitê sagcina ukuwenza wonke lomtêtô pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wetû, njengoko wasiwisela umtêtô.

7 Xa atê u-Yehova u-Tîxo wakô wakungenisa kulo ilizwe, oya kulo ukuba ulime, wanyôtula intlanga ezininzi ebusweni bako, ama-Heti, nama-Girgashi, nama-Amori, nama-Kanan, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi, intlanga ezisixênxe, zizininzi zinamandla kunawe,
2 Wazinikela kuwe u-Yehova u-Tîxo wakô, uz'uzixabele, uzisingele pantsi kupêle; ungenzi mnqopîso nazo, ungazisizeli;
3 Ungendiselani nazo, intombî yakô ungayiniki unyana wakê, intombî yakê ungayizekeli unyana wakô;
4 Kuba zomtyeka unyana wakô angandilandeli, bakônze tîxo bambî, uvutê umsindo ka-Yehova kuni, akutshabalalise kamsinya.
5 Ke yenjani nje kuzo: zidilizeni izibingelelo zazo, nizicîtê iziniso zazo, nibaxakaxe o-Ashera bazo, niyitshise ngomlilo imifanekiso yazo eqingqiweyo.
6 Ngokuba ningabantu abangcwele ku-Yehova u-Tîxo wakô; uninyule u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba nibe ngabantu abayinqobo kuye, kunabantu bonke abapêzu komhlaba.
7 Akungabuninzi benu kunezinye izizwe zonke lento atêne-nca nani u-Yehova, waninyula; kuba nimbalwa kunezinye izizwe zonke;
8 Kungokunitânda kuka-Yehova, kungokusigcina kwakê isifungo abesifungele oyihlo, lento anikûpê ngesandla esitê-nqî u-Yehova, wanikûlula ngentlaulelo endlwini yamakôboka, esandleni sika-Faro ukumkani wase-Yiputa.
9 Yazi-ke, ukuba u-Yehova u-Tîxo wakô nguye u-Tîxo, u-Tîxo wenyaniso, obagcinela umnqopîso nenceba abamtândayo, abayigcinayo imitêtô yakê, ase ewakeni lesizukulwana;
10 Obabuyekezayo abamtîyayo ebusweni babo, ukuba abatshabalalise; akalibali ukumbuyekeza omtiyayo, uya kumbuyekeza ebusweni bakê.
11 Wugcine-ke umtêtô, nemimiselo, namasiko, endikuwisela wona namhla, ukuba uwenze.

12 Kotî-ke, ngenx' enokuba nitê nawe va lamabango, nawagcina, nawenza, akugcinele umnqopîso nenceba u-Yehova u-Tîxo wakô, awawufunga koyihlo,
13 Akutânde, akusikelele, akwandise, asikelele nesiqâmo sesizalo sakô, neziqâmo zomhlaba wakô, inqôlowa yakô, ne-wayini yakô entsha, ne-oli yakô, nenkonyana

Digitized by Google

yenkomo yakô, netâkane lempahla yakô emfutshane, emhlabeni-lowo wawufungela oyihlo ukuba wokunika.

14 Wosikeleleka ngapézu kwezizwe zonke; akusokubakô nto ingazaliyo nokuba yindoda nokuba ngumfazi kuwe; nasezinkomeni zakô ayisokubakô.

15 U-Yehova wosusa zonke izifo kuwe; nobulwelwe bonke obubi base-Yiputa, obo ubaziyo, akayi kububeka kuwe; uya kububeka kubo bonke abakutîyayo;

16 Uzidle zonke izizwe-ezo akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô; iliso lakô lingabi nanceba kuzo, ungabakônzi otîxo bazo; ngokuba ngumgibe lowo kuwe.

17 Xa utê entliziyweni yakô, Ezintlanga zininzi kunam, ndinokuti-nina ukuzigqogqa?

18 Uz'ungazoyiki; kûmbûla kakuhle awakwenzayo u-Yehova u-Tîxo wakô ku-Faro nakuma-Yiputa onke;

19 Izilingo ezikûlu azibonileyo amehlo akô, nemiqondiso, nezimanga, nesandla esitê-nqi, nengalo eyolulweyo, awakukûpâ ngazo u-Yehova u-Tîxo wakô. Uya kwenje njalo u-Yehova u-Tîxo wakô kuzo zonke izizwe ozoyikayo.

20 Ngapézu koko u-Yehova u-Tîxo wakô uya kutûma onomeva kuzo, zide ezo ziseleyo zizisitêlisayo ebusweni bako zibûbê.

21 Uz'ungangcangcazeli ebusweni bazo; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô pâkatî kwakô ngu-Tixo omkûlu owoyikekayo.

22 U-Yehova u-Tîxo wakô uya kuzinyotula ezintlanga ebusweni bakô, kancinane, kancinane. Akuyi kuba nakô ukuzipêlisa kamsinya, hleze ande akongamele amafamnewa asendle.

23 U-Yehova u-Tîxo wakô wozinikela kuwe, azidungadunge ngodungadungo olukûlu, zide zitshatyalaliswe;

24 Abanikele okumkani bazo esandleni sakô, ulicime igama labo pântsi kwezulu. Akuyi kuma mntu ebusweni bakô, ude uzitshabalalise zona.

25 Imifanekiso eqingqiweyo yotîxo bazo woyitshisa ngomlilo; uz'ungayinqweneli i-silvere ne-golide ekuzo, ungayitâbatelî kuwe, ibe ngumgibe; ngokuba lisikizi ku-Yehova u-Tîxo wakô;

26 Uz'ungalingenisi isikizi endlwini yakô, ukuze ungabi yinto yokusingelwa pantsi njengalo; iz'ibe nezotê ibe linyala kuwe, ibe lisikizi kuwe, ngokuba yinto yokusingelwa pantsi.

8 Wonke umtêtô endikuwiselayo namhla, ize nizigcine ngokwenu ukuba niwenze, ukuze nipîle, nande, ningene nilime ilizwe-elo walifungela oyihlo u-Yehova;

2 Uyikûmbûle yonke indlela, akuhambîse ngayo u-Yehova u-Tîxo wakô, leminyaka imashumi mane entlango, ukuze akutôbe, akulinge, akwazi okusentliziyweni yakô, ukuba woyigcina imitêtô yakê, akuyi kuyigcina kusinina.

3 Wakutôba, wakulambîsa, wakudlisa imana, into obungayazi, ababengayazi noyihlo; ukuze akwazise ukuba akapîli ngasonka sodwa umntu, umntu lo yena upîla ngento yonke epûma emlonyeni ka-Yehova.

4 Ingubo yakô ayonakalanga bubudala ikushiye, nonyawo lwakô aludumbânga, leminyaka imashumi mane;

5 Uze wazi ngentliziyo yakô, ukuba njengoko umntu amqeqeshayo unyana wakê, u-Yehova u-Tîxo wakô uyakuqeqesha wena;

6 Uyigcine-ke imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uhambê ngendlela zakê, umoyike.

7 Kuba u-Yehova u-Tîxo wakô ukungenisa ezweni elihle; ezweni lemilanjana yamanzi, lemitômbô namanzi enzonzobila apûma ezihlanjeni nasezintabeni;

8 Ezweni lenqôlowa ne-fasi, ne-diliya, nemikîwane ne-farnate; ezweni leminquma ye-oli nobusi;

9 Ezweni ongayi kudla sonka kulo uyimbedlenge, ongayi kuswela nanye into kulo; ezweni elimatye asinyiti, elintaba wombâ ubêdu kuzo;

10 Udle, uhlutê, umbonge u-Yehova u-Tîxo wakô ngenxa yelizwe elihle akunike lona.

11 Zigcine, hleze umlibale u-Yehova u-Tîxo wakô ngokungayigcini imitêtô yakê, namasiko akê, nemimiselo yakê, endikumiselayo namhla;

12 Hleze uti wakudla uhlutê, wakê izindlu ezintle, uhlale kuzo;

13 Zande inkomo zakô, nempahla yakô emfutshane, yande kuwe i-silvere ne-golide, yande yonke into onayo,

14 Isuke ipâkame intliziyo yakô, umlibale u-Yehova u-Tîxo wakô, owakukûpâyo ezweni lase-Yiputa, endlwini yamakôboka;

15 Owakuhambîsayo entlango enkulu e-

Digitized by Google

yoyikekayo, enenyoka ezinobuhlungu, nonomadudwane, nebalelelwe lilanga, enge namanzi; owakuvelisela amanzi eweni leqwita;

16 Owakudlisa i-mana entlango, into abebengayazi oyihlo, ukuze akutobe, akulinge, ukuba akwenzele okulungileyo ekupeleni kwako;

17 Uzuti-ke entliziyweni yako, Ngamandl' am nokuqina kwesandla sam okundizuzise obubutyebi.

18 Uz'umkumbule u-Yehova u-Tixo wako, ngokuba nguye okunika amandla okuzuza ubutyebi; ukuze awumise umnqopiso wake abewufungele oyihlo, njengoko kunjalo namhla.

19 Koti, ukuba ute wamlibala u-Yehova u-Tixo wako, walandela tixo bambi, wabakonza, waqubuda kubo, ndiyaninqinela namhla, ukuba nobube kanye.

20 Njengentlanga u-Yehova azenze zadaka ebusweni benu, nodaka ngokunjalo; ngenx' enokuba ningalipulapulanga izwi lika-Yehova u-Tixo wenu.

9 Yiva, Sirayeli, uyayiwela namhla i-Yordan, usiya kuzihluta intlanga, ezinkulu ezinamandla kunawe, imizi emikulu enqatyiswe yesa ezulwini;

2 Abantu abakulu abade, onyana baka-Anaki, obazi'yo wena, obavileyo wena kusitiwa *ngabo*, Ngubamna onokuma pambi konyana baka-Anaki?

3 Yazi-ke namhla, ukuba u-Yehova u-Tixo wako nguye owela pambi kwako engumlilo odlayo; wobatshabalalisa, wobatoba pambi kwako; ubagqogqe, ubacime kamsinya, njengoko watetayo kuwe u-Yehova.

4 Uzungatsho entliziyweni yako, ekubagxotweni kuka-Yehova u-Tixo wako ebusweni bako, ukuti, Kungobulungisa bam andingenisileyo u-Yehova, ukuba ndilime elilizwe: kungokungabi ndawo kwezontlanga, lento u-Yehova azigqogqayo zingabiko ebusweni bako.

5 Akungabulungisa bako nokuti-tye kwentliziyo yako, lento ungenayo ulime ilizwe lazo: kuba kungokungabi ndawo kwezontlanga, lento u-Yehova u-Tixo wako azigqogqayo zingabiko ebusweni bako, ukuze alimise ilizwi elo u-Yehova abelifungele oyihlo, o-Abraham no-Isake no-Yakobi.

6 Yazi-ke, ukuba akungabulungisa bako, lento u-Yehova u-Tixo wako akunikayo elilizwe lihle ukuba ulime; ngokuba ningabantu abantamo ilukuni.

7 Kumbula, mus'ukulibala ukumqumbisa kwako u-Yehova u-Tixo wako entlango; kususela kwimini owapumayo ezweni lase-Yiputa, wada wangena kulendawo, naba nenkani ku-Yehova.

8 Nase-Horebe namqumbisa u-Yehova, wanifutela u-Yehova ukuba anitshabalalise.

9 Oko ndandinyuke ndaya entabeni ukuya kutabata amacwecwe amatye, amacwecwe omnqopiso abewenza u-Yehova nani, ndahlala imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane entabeni, ndingadli sonka, ndingaseli manzi.

10 Wandinika u-Yehova amacwecwe amabini amatye, ebalwe ngomnwe ka-Tixo, kubalwe kuwo ngokwamazwi onke abewatetile u-Yehova nani entabeni, pakati komlilo ngomhla wesikungu.

11 Kwati, ekupeleni kwemini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, u-Yehova wandinika amacwecwe amabini amatye, amacwecwe omnqopiso.

12 Wati u-Yehova kum, Suka uhle apa kamsinya; ngokuba bonakalisile abantu bako obakupileyo e-Yiputa; batyeka kamsinya endleleni-leyo ndibawisele umteto ngayo, bazenzela umfanekiso otyidiweyo.

13 Wati u-Yehova kum, Ndibabonile ababantu; yabona, ngabantu abantamo ilukuni;

14 Ndiyeke, ndibatshabalalise, ndilicime igama labo pantsi kwezulu, ndikwenze wena uhlanga olunamandla oluninzi kunabo.

15 Ndajika-ke, ndehla entabeni, intaba isitsha ngumlilo; amacwecwe omabini omnqopiso esezandleni zam zozibini,

16 Ndakangela ndabona, ukuba nonile ku-Yehova u-Tixo wenu, nazenzela itole elingumtyido, natyeka kamsinya endleleni leyo waniwisela umteto ngayo u-Yehova.

17 Ndawatabata amacwecwe omabini, ndawalahla ezandleni zam zozibini, ndawaqeka emehlweni enu.

18 Ndawa pantsi pambi ko-Yehova, njengokokuqala, imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane; ndingadli sonka, ndingaseli manzi, ngenxa yezono zenu zonke, enone ngazo ukwenza okubi emehlweni ka-Yehova, ukuba nimqumbise.

19 Kuba bendinxungupele ngumsindo nobushushu abe nobufalafume kuni nga-

Digitized by Google

bo u-Yehova, ukuba anitshabalalise; ke u-Yehova wandiva nangesosihlandlo.

20 U-Yehova wamfutêla kunene u-Aron, ukuba amtshabalalise; ndamtândazela no-Aron lowo ngeloxesha.

21 Isono senu enisenzileyo, itôle-elo ndalitâbatâ, ndalitshisa ngomlilo, ndaliqôba, ndalisila ngokucokisekileyo lada lacoleka lalutûli, ndalupôsa utûli lwalo emlanjaneni obusihla entabeni.

22 Nase-Tabera, nase-Masa, nase-Kibroti-hatahava, benimqumbisa u-Yehova.

23 Nasekunisuseni kuka-Yehova e-Kadeshe-barneha, esitî, Nyukani, nilime ilizwe elo ndininikileyo, nawupîkisa umlomo ka-Yehova u-Tîxo wenu, anakolwa nguye, analipûlapûla izwi lakê.

24 Naba nenkani ku-Yehova kususela kwimini endanazi ngayo.

25 Ndawa-ke pântsi pâmbî ko-Yehova ezomini zimashumi mane nobusuku obumashumi mane, endawayo pântsi; kuba u-Yehova watî uya kunitshabalalisa.

26 Ndatândaza-ke ku-Yehova, ndatî, Nkosi yam, Yehova, mus'ukubatshabalalisa abantu bakô, ilifa lakô, obakûluleyo ngobukûlu bakô, obakûpîleyo e-Yiputa ngesandla esitê-nqi.

27 Kumbûla abakônzi bakô, o-Abraham no-Isake no-Yakobi; mus' ukukângela ekugogotyeni kwababantu, nakokungendawo kwabo, nasesonweni sabo;

28 Hleze litî ilizwe osikûpê kulo, Kungokuba ebenge nako u-Yehova ukubangenisa kulo ilizwe abetêtê ngalo kubo, kungokuba ebebatîya, lento wabakûpâyo ukuze ababulalele entlango.

29 Ke ngabantu bakô nelifa lakô, obakûpîleyo ngamandla akô amakûlu nangengalo yakô eyolulweyo.

10 Ngeloxesha watî u-Yehova kum, Ziqingqele amacwecwe amatye abe mabini njengawokuqala, unyuke uze kum entabeni, uzenzele umkômbê womtî;

2 Ndiwabâle emacwecweni lawo amazwi abe kwawokuqala amacwecwe, lawo wawaqêkezayo, uwabeke emkômbêni.

3 Ndenza-ke umkômbê ngomngampunzi, ndaqingqa amacwecwe amatye amabini njengawokuqala, ndenyuka ndaya entabeni, ndinawo amacwecwe amabini esandleni sam.

4 Wawabâla-ke emacwecweni ngokombâlo wokuqala amazwi alishumi, abewatêtîle u-Yehova kuni entabeni, pâkatî komlilo ngomhla wesikûngu; u-Yehova wandinika wona.

5 Ndajika-ke, ndehla entabeni, ndawabeka amacwecwe emkômbêni endawenzayo; akôna, njengoko u-Yehova wandiwisela umtêtô ngako.

6 Banduluka onyana baka-Sirayeli e-Beroti-bene-yahakan, baya e-Mosera. Wafa apo u-Aron, wancwatyelwa kôna; u-Elazare unyana wakê waba ngumenzeleleli [1] esikûndleni sakê.

7 Banduluka kôna, baya e-Gudegoda; *banduluka* e-Gudegoda, baya e-Yotebata, ilizwe elinemilanjana yamanzi.

8 Ngeloxesha u-Yehova wasahlula isizwe sakwa-Levi, ukuba sitwale umkômbê womnqopîso ka-Yehova, nokuba sime pâmbî ko-Yehova silungiselele, sisikelele ngegama lakê unanamhla.

9 Ngenxa yoko u-Levi akanasabelo nalifa ndawonye nabazalwana bakê; nguYehova ilifa lakê, njengoko watêtâyo u-Yehova u-Tîxo wakô kuye.

10 Ndema-ke mna entabeni, njengemihla yokuqala, imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane; wandiva u-Yehova nangesosihlandlo; u-Yehova akatânda ukukonakalisa.

11 Watî u-Yehova kum, Suk'ume uhambê pâmbî kwabantu, bangene balime ilizwe elo, ndafungayo koyise ukuba ndobanika.

12 Kaloku-ke, Sirayeli, u-Yehova u-Tîxo wakô ubiza nto-nina kuwe, kungekuko ukumoyika u-Yehova u-Tîxo wakô, uhambê ngendlela zakê zonke, umtânde, umkônze u-Yehova u-Tîxo wakô ngentliziyo yakô yonke nangompêfumlo wakô wonke,

13 Ugcine imitêtô ka-Yehova, nemimiselo yakê, endikumiselayo namhla ukuba kulunge kuwe?

14 Yabona, lelika-Yehova u-Tîxo wakô izulu nezulu lamazulu, nomhlaba, nento zonke ezikôna.

15 U-Yehova watâna-nca noyihlo bodwa ukuba abatânde; wanyula imbêwu yabo emva kwabo, nina-ke, ngapêzu kwezizwe zonke, njengoko kunjalo namhla.

16 Yalûsani-ke ijwabu lentliziyo yenu, ningabi saba ngabantamo ilukûni.

[1] Umbingeleli kwi-Testamente entsha, ngokunye umpriste.

Digitized by Google

17 Kuba u-Yehova u-Tixo wenu ngu-Tixo wotixo yena, ngu-Nkosi kankosi, ngu-Tixo omkulu, oligoya, owoyikekayo, ongaketi buso, ongamkeli sicengo;
18 Ogwebela inkedama nomhlolokazi, otanda owasemzini, ukuba amnike ukudla nengubo.
19 Mtandeni owasemzini; kuba nibe ningabasemzini ezweni lase-Yiputa.
20 Uz'umoyike u-Yehova u-Tixo wako, umkonze, unamatele kuye, ufunge igama lake.
21 Yindumiso yako, ngu-Tixo wako, okwenzele ezizinto zinkulu zoyikekayo, azibonileyo amehlo ako.
22 Behla beyimipefumlo emashumi asixenxe oyihlo ukuya e-Yiputa; ke ngoku u-Yehova, u-Tixo wako, unenze nanjengenkwenkwezi zezulu ukuba baninzi kwenu.

11 Ngoko-ke uz'umtande u-Yehova u-Tixo wako, ugcine isigxina sake, nemimiselo yake, namasiko ake, nemiteto yake imihla yonke.
2 Yazini-ke namhla; ngokuba anditeti nonyana benu abangakwazanga, abangakubonanga ukuqeqesha kuka-Yehova u-Tixo wenu, ubukulu bake, nesandla sake esite-nqi, nengalo yake eyolulweyo,
3 Nemiqondiso yake, nezenzo zake abezenzile pakati kwe-Yiputa ku-Faro ukumkani wase-Yiputa, nakwilizwe lake lonke;
4 Noko wakwenzayo empini yama-Yiputa, emahasheni ayo, nasezinqweleni zayo zokulwa; oko wahambisa amanzi o-Lwandle olubomvu pezu kwayo, ekunisukeleni kwayo, wayicima u-Yehova unanamhla;
5 Noko wakwenzayo kuni entlango nada nafika kulendawo;
6 Noko wakwenzayo ko-Datan no-Abiram onyana baka-Eliyabi unyana ka-Ruben; ukuba umhlaba wakamisa umlomo wawo, wabaginya, nendlu zabo, nen-tente zabo, nento yonke epilileyo eyabalandelayo, ababiko pakati kwama-Sirayeli onke.
7 Ngokuba amehlo enu azibonile zonke izenzo zika-Yehova ezikulu awazenzayo.
8 Ize niwugcine wonke umteto endiniwiselayo namhla, ukuze nomelele, ningene nilime ilizwe elo niwelela kulo, ukuba nilihlute;
9 Ukuze niyolule imihla yenu emhlabeni lowo abewufungele oyihlo u-Yehova, ukuba wowunika bona nembewu yabo, ilizwe elinamasi nobusi.
10 Kuba ilizwe-elo uya kulo usiya kulihluta, alinjengelizwe lase-Yiputa, elo napuma kulo, apo wayihlwayelayo imbewu yako, waza wayincencesha ngonyawo lwako njengomyezo wemifuno;
11 Ke lona ilizwe, eniwelela kulo nisiya kulihluta, lilizwe lentaba nezihlambo, elisela amanzi emvula yezulu;
12 Lilizwe alikataleleyo u-Yehova u-Tixo wako, ahlala ekulo amehlo ka-Yehova u-Tixo wako etabatela ekuqaleni komnyaka, ade ase ekupeleni komnyaka.

13 Koti, ukuba nite nayipulapula ngenyameko imiteto yam endiniwiselayo namhla, yokuba nimtande u-Yehova u-Tixo wenu, nimkonze ngentliziyo yenu yonke, nangompefumlo wenu wonke,
14 Ndininike imvula yelizwe lenu ngexesha layo, etambisayo nevutwisayo, uhlanganise inqolowa yako, ne-wayini yako entsha, ne-oli yako;
15 Ndizinike utyani inkomo zako, emadlelweni ako, udle uhlute.
16 Zigcineni, hleze ikohliseke intliziyo yenu, nityeke, nikonze tixo bambi, niqubude kubo,
17 Uvute umsindo ka-Yehova kuni, alivingce izulu kungabiko mvula, umhlaba ungayivelisi indyebo yawo, nibube kamsinya, ningabiko ezweni elihle, aninika lona u-Yehova.
18 Lamazwi am zeniwabekele intliziyo yenu nompefumlo wenu, niwabope esandleni senu, abe ngumqondiso, abe zikumbuzo pakati kwamehlo enu;
19 Niwafundise onyana benu, utete ngawo ekuhlaleni kwako endlwini yako, nasekuhambeni kwako ngendlela, nasekulaleni kwako, nasekuvukeni kwako;
20 Uwabale emigubasini yendlu yako nasemasangweni ako;
21 Ukuze yande imihla yenu, nemihla yonyana benu, emhlabeni-lowo abewufungele oyihlo u-Yehova, ukuba wobanika njengemihla yamazulu pezu komhlaba.
22 Kuba ukuba nite nawugcina ngenyameko lomteto wonke ndiniwiselayo ukuba niwenze, nimtande u-Yehova u-Tixo wenu, nihambe ngendlela zake zonke, ninamatele kuye:
23 Wozigqogqa u-Yehova ezontlanga zo-

Digitized by Google

nke pâmbî kwenu, nigqogqe intlanga ezinkulu ezinamandla kunani.

24 Indawo yonke, enyatêlwa yintende yonyawo lwenu, yoba yeyenu; kutâbatêle entlango nase-Lebanon, nasemlanjeni, emlanjeni ongum-Efrati, kuse elwandle lwasentshonalanga: ingumda wenu.

25 Akukô mntu uya kuma pâmbî kwenu ukunkwantya nini nokoyika nina wokubeka u-Yehova u-Tîxo wenu ezweni lonke emlinyatêleyo, njengoko watêtâyo kuni.

26 Yabonani, ndibeka pâmbî kwenu namhla intsikelelo nesiqalekiso;

27 Intsikelelo, ukuba nitê nayipûlapûla imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wenu, endiniwiselayo namhla;

28 Isiqalekiso, ukuba nitê anayipûlapûla imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wenu, nesuka natyeka endleleni-leyo ndiniwisele umtêtô ngayo namhla, nalandela tîxo bambî eningabazanga.

29 Kotî, xa atê u-Yehova u-Tîxo wakô wakungenisa kulo ilizwe oya kulo, usiya kulima, uyikûpêle intsikelelo pêzu kwentaba ye-Gerizim, nesiqalekiso pêzu kwentaba ye-Ebali.

30 Ezontaba azipêsheya kwe-Yordan-na, ngapâya kwendlela eya entshonalanga, ezweni lama-Kanan, amiyo e-Araba malungana ne-Giligali, ecaleni lemi-oki yakwa-More?

31 Kuba niya kuwela i-Yordan, nisiya kulihlutâ ilizwe-elo aninikayo u-Yehova u-Tîxo wenu, nilihlutê-ke, nime kulo.

32 Gcinani, niyenze yonke imimiselo namasiko endiwabekayo pâmbî kwenu namhla.

12 Yiyo le imimiselo namasiko, enowagcina ukuba niwenze ezweni-elo, akunike lona u-Yehova u-Tîxo woyihlo ukuba ulime, yonke imihla enidla ngayo ubomi emhlabeni.

2 Zicitêni kupêle zonke indawo, apô intlanga enizigqogqayo zabakônzela kôna otîxo bazo, ezintabeni ezipâkâmileyo, nasezindulini, napântsi kwemitî yonke eluhlaza;

3 Nizidilize izibingelelo zazo, niziqêkeze izimiso zazo zamatye, nibatshise ngomlilo o-Ashera bazo, niyixakaxe imifanekiso eqingqiweyo yotîxo bazo, nilicime igama lazo kulendawo.

4 Ize ningenje njalo ku-Yehova u-Tîxo wenu.

5 Ke endaweni-leyo aya kuyinyula u-Yehova u-Tîxo wenu ezizweni zenu zonke, ukuba alimise kôna igama lakê, ukuba ahlale kôna, ize niquqele kôna, niye kôna,

6 Niwase kôna amadini enu anyukayo, nemibingelelo yenu, nezishumi zenu, nomfumo wesandla senu, nezibâmbâtîso zenu, nemibingelelo yenu yokuqûtywa yintliziyo, namazibulo enkomo zenu nawempahla yenu emfutshane;

7 Nidle kôna pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu, nivuye entweni yonke enisa isandla senu kuyo, nina nezindlu zenu, akusikeleleyo kuyo u-Yehova u-Tîxo wakô.

8 Ize ningenzi ngokwezinto zonke esizenzayo apâ namhla, elowo esenza konke okutê-tye emehlweni akê;

9 Kuba okwangoku anikangeni ekupûmleni-oko, naselifeni-elo, aninikayo u-Yehova u-Tîxo wenu;

10 Ke noyiwela i-Yordan, nihlale ezweni-elo, u-Yehova u-Tîxo wenu aya kunidlisa ilifa kulo, anipûmze ezintshabeni zenu zonke ngenxa zonke, nihlale nikôlosile;

11 Koti-ke kubekô indawo aya kuyinyula u-Yehova u-Tîxo wenu, alihlalise kôna igama lakê, nizizise kôna izinto zonke endiniwisela umtêtô ngazo: amadini enu anyukayo, nemibingelelo yenu, nezishumi zenu, nomfumo wesandla senu, nezibâmbâtîso zenu zonke ezinyuliweyo, enibâmbâtîsa ngazo ku-Yehova;

12 Nivuye pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu, nina nonyana benu, nentombî zenu, nabakônzi-benu, nabakônzazana benu, nom-Levi osemasangweni enu, ngokuba akanasabelo nalifa nani.

13 Zigcine, amadini akô anyukayo ungawanyusi endaweni zonke ozibonayo;

14 Ke endaweni-leyo aya kuyinyula u-Yehova kwesinye sezizwe zakowenu, wowanyusa kôna amadini akô anyukayo, ukwenze kôna konke endikuwisela umtêtô ngako.

15 Noko-ke ngokunqwena konke kompêfumlo wakô ungaxêla uyidle inyama, ngokwentsikelelo ka-Yehova u-Tîxo wakô akunikileyo emasangweni akô onke; oyinqambî nohlambûlukileyo bangayidla into enjengebâdi nenjengexâma.

Digitized by Google

16 Ligazi lodwa eningasokulidla; wolipâlaza emhlabeni njengamanzi.
17 Akunakusidlela emasangweni akô isishumi senqôlowa yakô, nese-wayini yakô entsha, nese-oli yakô, namazibulo enkomo zakô nawempahla yakô emfutshane, nezibâmbâtîso zakô zonke obâmbâtîsa ngazo, nemibingelelo yakô yokuqûtywa yintliziyo, nomfumo wesandla sakô.
18 Zona uz'uzidlele pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô, endaweni-leyo aya kuyinyula u-Yehova u-Tîxo wakô, wena-ke, nonyana wakô, nentombî yako, nomkônzi wako, nomkônzazana wakô, nom-Levi osemasangweni akô, uvuye pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô entweni zonke osa isandla sakô kuzo.
19 Zigcine, ungamlibali um-Levi, yonke imihla yokupîla kwakô emhlabeni wakô.

20 Xa atê u-Yehova u-Tîxo wakô wawenza banzi umda wakô, njengoko abetêtê ngako kuwe, utî, Ndiya kudla inyama, ngokuba umpêfumlo wakô unqwenela ukuyidla inyama: ungayidla inyama ngokunqwena konke kompêfumlo wakô.
21 Xa itê yamgama kuwe indawo-leyo, aya kuyinyula u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba alimise kuyo igama lakê: woxêla ezinkomeni zakô, nasempahleni yakô emfutshane, akunikileyo u-Yehova, njengoko ndakuwisela umtêtô ngako, udle emasangweni akô ngokunqwena konke kompêfumlo wakô.
22 Kanye njengokuba lidliwa ibâdi nexâma, uya kwenje njalo ukuyidla; oyinqambî nohlambûlukileyo bofana ukuyidla.
23 Kodwa qina ungalidli igazi: kuba igazi ngumpefumlo; uz'ungawudli-ke umpêfumlo kunye nenyama.
24 Uz'ungalidli; wolipâlaza emhlabeni njengamanzi.
25 Uz'ungalidli; ukuze kulunge kuwe nakonyana bakô emva kwakô, xa utê wakwenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova.
26 Zizinto zakô ezingewele zodwa ezilunge kuwe, nezibâmbâtîso zakô, owozitâbatâ uzise endaweni-leyo aya kuyinyula u-Yehova.
27 Wenze amadini akô anyukayo, inyama negazi, esibingelelweni sika-Yehova u-Tîxo wakô; igazi lemibingelelo yakô uligalele esibingelelweni sika-Yehova u-Tîxo wakô, uyidle inyama yona.
28 Gcina uwapûlapûle lamazwi onke ndikuwisela umtêtô ngawo, ukuze kulunge kuwe nakonyana bakô emva kwakô, kude kuse epâkadeni, xa utê wenza okulungileyo nokutê-tye emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wakô.

29 Xa atê u-Yehova u-Tîxo wakô wazinqumla pâmbî kwakô intlanga, apô uya kuzigqogqa kôna, wazigqogqa-ke, wahlala ezweni lazo;
30 Zigcine, hleze utîyelwe uzilandele, emveni kokutshatyalaliswa kwazo pâmbi kwakô; hleze uquqele kotîxo bazo, utî, Zibe zisitî-nina ezintlanga ukubakônza otîxo bazo? Ndiya kwenje njalo nam.
31 Uz'ungenje njalo ku-Yehova u-Tîxo wakô; kuba yonke into elisikizi ku-Yehova, ayitîyileyo, ziyenzile kotîxo bazo; ngokuba kwa nonyana bazo nentombî zazo zizitshise emlilweni kotîxo bazo.

32 Into yonke endisukuba ndiniwisele umtêtô ngayo, ize nigcine ukuyenza; uz'ungongezi kuyo, ungancipîsi nto.

13 Xa kutê kwavela pâkatî kwakô umprofeti nompûpî wamapûpâ, wakunika imiqondiso nezimanga,
2 Yabakô-ke imiqondiso nezimanga azitêtîleyo kuwe, esitî, Masilandele tîxo bambî ongabaziyo, sibakônze;
3 Uz'ungawapûlapûli amazwi alom-profeti nalompûpî wamapûpâ, ngokuba sukuba enilinga u-Yehova u-Tîxo wenu, ukuze azi ukuba niyamtânda-na u-Yehova u-Tîxo wenu ngentliziyo yenu yonke nangompêfumlo wenu wonke.
4 Zenilandele u-Yehova u-Tîxo wenu, noyike yena, nigcine imitêtô yakê, nipûlapûle izwi lakê, nikônze yena, ninamatêle kuye.
5 Ke lom-profeti nalompûpî wamapûpâ makabulawe; kuba etête elokutyeka ku-Yehova u-Tîxo wenu, owanikûpâyo ezweni lase-Yiputa, wanikûlula ngentlaulelo endlwini yamakôboka, ukuba akuwexule endleleni akuwisele umtêtô ngayo u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uhambê ngayo. Ubutshayeleke ububi bungabikô pâkatî kwakô.

6 Xa atê umzalwana wakô, umta-kanyoko, nonyana wakô, nentombi yakô, nomfazi wesifuba sakô, nowenu onjengo-

Digitized by Google

mpefumlo wakô kuwe, wakuhenda ngasese, esitî, Masiye kukônza tîxo bambî ongabazanga, wena noyihlo,
7 Kotîxo bezizwe eziningqongileyo, ezikufupî kuwe, nokuba zezikude nawe, eziţâbatêla esipêlweni somhlaba, zada zesa esipêlweni somhlaba:
8 Uz'ungavumelani naye, ungampûlapûli; lingabi nanceba iliso lakô kuye, ungamcongi, ungamfihli;
9 Uz'umbulale afe. Kofika esakô isandla kuye kuqala ukuba simbulale, kwandule ukufika esabantu bonke isandla emva koko,
10 Umxulube ngamatye afe; ngokuba efunê ukukuwexula ku-Yehova u-Tîxo wakô, owakukûpâyo ezweni lase-Yiputa, endlwini yamakôboka;
11 Eve onke ama-Sirayeli, oyike, angapîndi enze ububi obunjengobo pâkatî kwakô.

12 Xa utê weva komnye umzi wemizi yakowenu, akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba uhlale kuwo, kusitîwa,
13 Kupûme amadoda angamatshijolo pâkatî kwakô, awexula abemi bomzi wawo, esitî, Hambani, siye kukônza tîxo bambî, eningabaziyo:
14 Wopêngulula ugocagoce, ubuzise ucokise; iyinyaniso, iqinisekile lento, lenzekile elisikizi pâkatî kwakô:
15 Uz'ubabulale kutî-tu abemi balomzi ngohlangotî lwerele, uwusingele pântsi, nento yonke ekuwo, kwa nenkomo yawo, ngohlangotî lwerele;
16 Uwabutêle onke amaxôba awo esazulwini sendawo yawo yembutô, uwutshise ngomlilo lomzi namaxôba awo onke, ube lidini elipêleleyo ku-Yehova u-Tîxo wakô, ube ngumwewe ongunapâkade, ungabi sakiwa;
17 Esandleni sakô kunganamatêli nento le kwezizinto zisingelwe pântsi, ukuze abuye u-Yehova ekuvutêni komsindo wakê, abe nemfesane kuwe, asikwe yimfesane ngawe, akwandise, njengoko wabafungelayo oyihlo;
18 Xa utê walipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uyigcine yonke imitêtô yakê endikuwiselayo namhla, ukuba ukwenze okutê-tye emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wakô.

14 Ningonyana ku-Yehova u-Tîxo wenu; ize ningazicenti, ningenzi mpandla pezu kwamehlo enu ngenxa yomfi;
2 Ngokuba ningabantu abangcwele ku-Yehova u-Tîxo wenu; u-Yehova uninyulele ukuba nibe ngabantu abayinqobo kuye, ezizweni zonke ezipêzu komhlaba.

3 Uz'ungadli nanye into elisikizi.
4 Zizo ezi izinto ezizitô zine enozidla: inkomo, imvu, imbûzi,
5 Ixâma, nebâdi, nelinqa, netshabanqâ, nenqu, neula, negogo.
6 Yonke into ezizitô zine etîwe-gqipû upûpû, ezimpupû zicandwe zacandwa kubini, etyisa umtyiso entweni ezizitô zine, noyidla yona.
7 Zezi zodwa eningayi kuzidla kwezityisa umtyiso, nakwezitîwe-gqipû upûpû: in-kamela, nembîla nomvundla; ngokuba zityisa umtyiso, ke zingalutê-gqipû upûpû, ziyinqambî-ke kuni;
8 Nehangu, ngokuba ilutê-gqipû upûpû, pôfu ingetyisi, iyinqambi kuni; inyama yazo ize ningayidli, nesidûmbû sazo ningasicûkumisi.

9 Entweni zonke ezisemanzini nozidla ezi zonke izinto ezinamapîko namaxolo nozidla;
10 Ke zonke izinto ezinge namapîko namaxolo ize ningazidli, ziyinqambî kuni.

11 Zonke intaka ezihlambûlukileyo nozidla.
12 Eningayi kuzidla zezi: ixâlanga, nokôzi nonomakwêzana,
13 Nesanxâ, nentambânana, nengqanga ngohlobo lwayo;
14 Nehlungulu lonke ngohlobo lwalo;
15 Nenciniba, nodebeza neñañane, nontloyiya ngohlobo lwakê;
16 Nesikôva, nefubesi, nenkuku yamanzi;
17 Nengcwangube, nokêtshe, nehlungulu laselwandle,
18 Nengwamza, nokwâlimanzi ngohlobo lwake, nobôbôyi, nelulwane.
19 Yonke inyakanyaka enamapîko iyinqambî kuni; ize ningayidli.
20 Zonke intaka ezihlambûlukileyo ningazidla.

21 Ize ningayidli yonke into ezifeleyo;

Digitized by Google

ungamnika owasemzini osemasangweni akô, adle; ungatêngisa ngayo kowolunye uhlanga; ngokuba ningabantu abangcwele ku-Yehova u-Tixo wenu. Uz'ungalipêki itâkane ngobisi lonina.

22 Uz'unikele isishumi songeniselo lonke lwembêwu yakô epûma entsimini iminyaka ngeminyaka;
23 Udle pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô endaweni-leyo aya kuyinyulela ukuhlalisa igama lakê kuyo, esishumini senqôlowa yakô, nese-wayini yakô entsha, nese-oli yakô, namazibulo enkomo zakô nawempahla yako emfutshane; ukuze ufunde ukumoyika u-Yehova u-Tixo wakô yonke imihla.
24 Xa indlela itê yandê kuwe, naxa utê wakohlwa ukusisa sona, ngokuba ikude kuwe indawo-leyo u-Yehova u-Tixo wakô aya kuyinyulela ukulimisa kuyo igama lakê, naxa atê wakusikelela u-Yehova u-Tixo wakô:
25 Wosanana ngemali, uyibopê imali esandleni sakô, uye endaweni-leyo aya kuyinyula u-Yehova u-Tixo wakô,
26 Uyanane imali ngento zonke osukuba uzinqwenela umpêfumlo wakô, ngenkomo, nangempahl' emfutshane, nangewayini, nangesiselo esinamandla, nangento zonke ozibizayo umpêfumlo wakô, udle kôna pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô, uvuye wena nendlu yakô.
27 Nom-Levi osemasangweni ako uz'ungamlibali, ngokuba akanasabelo nalifa ndawonye nawe.

28 Ekupêleni kweminyaka emitâtû wokûpâ sonke isishumi songeniselo lwakô lwalonyaka, ulufumbê emasangweni akô;
29 Eze um-Levi, ngokuba enge nasabelo nalifa ndawonye nawe, nowasemzini, nenkedama, nomhlolokazi osemasangweni akô, badle bahlutê; ukuze akusikelele u-Yehova u-Tixo wakô emsebenzini wonke wesandla sakô owusebenzayo.

15 Ekupêleni kweminyaka esixênxe uze wenze uyekelelo.
2 Nali-ke isiko loyekelelo: bonke ababoleki ababoleke ngesandla sabo, mabayiyekelele into abayiboleke uwabo, bangammemi uwabo ongumzalwana wabo; ngokuba kumenyezwe uyekelelo luka-Yehova.
3 Ungammema owolunye uhlanga; ke into eyiyeyakô ekumzalwana wakô soyiyekelela isandla sakô.
4 Kodwa-ke zekungabikô hlwempu kuwe; ngokuba u-Yehova wokusikelela kakûlu ezweni-elo, akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô ukuba libe lilifa, ulime;
5 Ukuba utê kodwa walipûlapûla ngenyameko izwi lika-Yehova u-Tixo wakô, wagcina ukuwenza wonke lomtêtô ndikuwiselayo namhla.
6 Ngokuba u-Yehova u-Tixo wakô ukusikelele, njengoko watêtâyo kuwe; woboleka intlanga ezininzi ngezibambîso, ke wena akuyi kuboleka kuzo ngazibambîso; wolaula intlanga ezininzi, ke zona aziyi kukulaula.

7 Xa kutê kwakô ihlwempu kuwe ebazalwaneni bakô, nokuba kukulipî kumasango akô ezweni lakô akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô: uz'ungayenzi ingqoshombâ intliziyo yakô, usivale isandla sako kumzalwana wakô olihlwempu.
8 Uz'usivule kakûlu isandla sakô kuye, umboleke into elingene ukuswela kwake aswele ngako.
9 Uz'uzigcine, kungabikô butshijolo entliziyweni yakô, uti, Usondele umnyaka wesixênxe, unyaka woyekelelo; libe libi iliso lakô ngakumzalwana wakô olihlwempu, ungamniki nto; aze akâle ngawe ku-Yehova, ube nesono.
10 Uz'umnike, ingabi mbî intliziyo yakô ekumnikeni kwakô; ngokuba ngenxa yalendawo wokusikelela u-Yehova u-Tixo wakô emsebenzini wakô wonke, nasentweni zonke osa isandla sakô kuzo.
11 Kuba alisokuze lingabikô ihlwempu pâkatî kwelizwe-elo; ngenxa yoko ndikuwisela umtêtô, ndisitî, Sivule kakûlu isandla sakô kumzalwana wakô olusizana, olihlwempu lakô ezweni lakô.

12 Xa atê wazitêngisa kuwe umzalwana wakô um-Hebere, nokuba ngum-Heberekazi, wakukônza iminyaka emitândatû: womndulula ngomnyaka wesixênxe ekûlulekile kuwe.
13 Xa utê wamndulula ekûlulekile kuwe, uz'ungamndululi elambâtâ;
14 Wompâ umpê empahlenî yakô emfutshane, nasesandeni sakô, nasesixovulelweni sakô; umnike into akusikelele ngayo u-Yehova u-Tixo wakô;

Digitized by Google

15 Ukûmbûle ukuba ubungumkônzi ezweni lase-Yiputa, wakukûlula u-Yehova u-Tîxo wakô; ngenxa yoko ndikuwisela umtétô ngalento namhla.

16 Kotî, xa até kuwe, Andimki kuwe; ngokuba ekutânda wena nendlu yakô, ngokuba kulungile kuye ekuwe-nje:

17 Utâbatê-ke inyatŷowa, umhlabe ngayo endlebeni *iye kuma* elucangweni, abe ngumkônzi kuwe ngonapâkade. Nakumkônzazana wakô uze wenje njalo.

18 Makunganqabi emehlweni akô ukumndulula kwakô ekûlulekile kuwe; ngokuba kuwe unjengomqeshwa okuqeshwa kubini, ekukônze iminyaka emitândatûnje; wokusikelela u-Yehova u-Tîxo wakô entweni zonke ozenzayo.

19 Onke amazibulo até azalwa zinkomo zakô nayimpahla yakô emfutshane angamaduna, wowangcwalisa ku-Yehova u-Tîxo wakô; uz'ungawasebenzisi amazibulo enkomo zakô, ungawacébi amazibulo empahla yakô emfutshane.

20 Wowadlela pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô iminyaka ngeminyaka, kulondawo aya kuyinyula u-Yehova, wena nendlu yakô.

21 Xa até anesipâko, aziqwâla, azimfama, onke anesipâko esibi uz'ungawabingeleli ku-Yehova u-Tîxo wakô.

22 Wowadlela emasangweni akô; oyinqambî nohlambûlukileyo bofana ukuyidla into enjengebâdi nenjengexâma.

23 Ligazi lawo lodwa eningayi kulidla; wolipâlazela emhlabeni njengamanzi.

16 Yigcine inyanga engu-Abibi, wenze i-pasika ku-Yehova u-Tîxo wakô; ngokuba wakukûpâ ngenyanga engu-Abibi u-Yehova u-Tîxo wakô e-Yiputa ebusuku,

2 Ubingelele i-pasika ku-Yehova u-Tîxo wakô, impahl' emfutshane nenkomo, kulondawo, u-Yehova aya kuyinyulela ukuba alibeke kuyo igama lakê.

3 Uz'ungadli nto inegwele kunye nayo; imihla yoba sixénxe usidla izonka ezinge nagwele kunye nayo, isonka sentsizi; ngokuba wapûma bupûtûpûtû ezweni lase-Yiputa, ukuze uwukûmbûle umhla wokupûma kwakô ezweni lase-Yiputa yonke imihla yokudla kwakô ubomi.

4 Zekungabonwa gwele emideni yakô yonke imihla esixénxe; zekungabikô ntwana yanyama, oyibingelelayo ngokuhlwa ngosuku lokuqala, eba ngumbeko kude kuse.

5 Akunakô ukuyibingelela i-pasika kulimbî isango emasangweni akô, akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô;

6 Ke kulondawo u-Yehova u-Tîxo wakô aya kuyinyulela ukulibeka kuyo igama lakê, woyibingelela apô i-pasika ngokuhlwa ukutshona kwelanga, ngexesha owapûma ngalo e-Yiputa;

7 Uyose, uyidle kulondawo aya kuyinyula u-Yehova u-Tîxo wakô, ubuye kusasa, uye ezin-tenteni zakô.

8 Wodla izonka ezinge nagwele imihla emitândatû; ke ngomhla wesixénxe yingqungqutêla ka-Yehova u-Tîxo wakô; uz'ungenzi namnye umsebenzi.

9 Uz'uzibalele i-veki ezisixénxe, woqala ukuzibalela i-veki ezisixénxe utâbatêla ekulifakeni ifengqa enqôloweni ingekavunwa,

10 Wenze umtêndeleko we-veki ku-Yehova u-Tîxo wakô ngokomlinganiso wombingelelo wokuqûtywa yintliziyo wesandla sakô, uwunike njengokusikelelwa kwakô ngu-Yehova u-Tîxo wakô,

11 Uvuye pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô, wena, nonyana wakô, nentombi yakô, nomkônzi wakô, nomkônzazana wakô, nom-Levi osemasangweni akô, nompâmbûkeli, nenkedama, nomhlolokazi opâkatî kwenu, kulondawo, aya kuyinyulela ukulibeka kuyo igama lake u-Yehova u-Tîxo wakô;

12 Ukûmbûle ukuba ubungumkônzi e-Yiputa, uyigcine uyenze lemimiselo.

13 Uz'uzenzele umtêndeleko weminquba imihla esixénxe wakukôv'ukubutâ okusesandeni sakô, nasesixovulelweni sakô;

14 Uvuye emtêndelekweni wakô, wena, nonyana wakô, nentombî yakô, nomkônzi wakô, nomkônzazana wakô, nom-Levi, nompâmbûkeli, nenkedama, nomhlolokazi osemasangweni akô.

15 Imihla yoba sixénxe usenza umtêndeleko ku-Yehova u-Tîxo wakô kulondawo aya kuyinyula u-Yehova; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô uya kukusikelela elungeniselweni lwakô lonke, nasemisebenzini yonke yezandla zakô, ube nokuvuya kupêle.

16 Izihlandlo ezitâtû ngonyaka mayibonakale into yonke eyindoda ebusweni bu-

Digitized by Google

ka-Yehova u-Tixo wakô kulondawo aya kuyinyula: ngomtêndeleko wezonka ezinge nagwele, nangomtêndeleko we-veki, nangomtêndeleko weminquba; angabonakali-ke engapêtê luto ebusweni buka-Yehova.

17 Elowo *abonakale* ngokupâ kwesandla sakê, ngokwentsikelelo ka-Yehova u-Tixo wakô akunikileyo.

18 Wozimisela abagwebi nababâli emasangweni akô onke akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô, ngokwezizwe zakô, bagwebe abantu ngogwebo olulungileyo.

19 Uz'ungasijiki isigwebo, ungakêti buso, ungamkeli sicengo; kuba isicengo-esi simfamekisa amehlo ezilumko, sipênula indawo zamalungisa.

20 Ubulungisa, ubulungisa-obu uz'ubupûtûme, ukuze upile, ulihlutê ilizwe-elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô.

21 Uz'ungazigxumekeli Ashera wemitî nokuba yiyipî ecaleni lesibingelelo sika-Yehova u-Tixo wakô, ozenzela sona;

22 Ungazimiseli simiso selitye, into ayitîyileyo u-Yehova u-Tixo wakô.

17 Uz'ungabingeleli ku-Yehova u-Tixo wakô nkomo, nagusha inasipâko, nandawo imbî nokuba yiyipî; ngokuba oko kulisikizi ku-Yehova u-Tixo wakô.

2 Xa kutê kwafunyanwa pâkatî kwenu, nakulipî isango emasangweni akô akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô, indoda nokuba yinkazana eyenze okubi emehlweni ka-Yehova u-Tixo wakô ngokugqitâ umnqopiso wakê;

3 Yaya, yakônza tixo bambî, yaqubuda kubo, ilanga, nenyanga, nomkôsi wonke wasezulwini, into endingawisanga mtêtô ngayo,

4 Waxelelwa-ke, weva, wabuza wacokisa, wafumana iyinyaniso, iqinisekile lento, lenzekile elisikizi kwa-Sirayeli:

5 Woyikûpa londoda nokuba yilonkazana iyenzileyo lonto imbî, emasangweni akô, londoda nokuba yilonkazana uyixulube ngamatye, ife.

6 Ofanele ukufa wobulawa ngomlomo wamanqîna amabini nokuba ngamanqîna amatâtû, makangabulawa ngomlomo wanqîna linye.

7 Kofika kuqala kuye isandla samanqîna ukumbulala, kufike isandla sabantu bonke emveni koko. Ubutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwakô.

8 Xa itê yakunqabela indawo ekugwebeni pâkatî kwegazi negazi, pâkatî kwetyala netyala, pakati kobetô nobetô, izindawo ekubanjwene ngazo emasangweni akô: wosuka unyuke uye kulondawo aya kuyinyula u-Yehova u-Tixo wakô;

9 Uye kubenzeleleli aba-Levi, nakumgwebi oya kubakô ngalomihla, ubuze, bakuxelele ilizwi lokugweba;

10 Uze wenze ngokwentêtô yelizwi abakuxelela lona, bekulondawo aya kuyinyula u-Yehova; ugcine ukwenza ngako konke abaya kukuyala ngako;

11 Ngokwentêtô yomyalelo abaya kukuyala ngayo, nangokwesigwebo abaya kusitêtâ kuwe, uze wenze, ungatyeki kulo ilizwi abaya kukuxelela uye ekunene nasekôhlo.

12 Indoda-leyo etê yenza ngokukûkûmala, ingampûlapûli umenzeleleli omiyo, olungiselela kôna ku-Yehova u-Tixo wakô, nomgwebi lowo, mayife londoda; ubutshayele-ke ububi bungabikô kwa-Sirayeli;

13 Bova-ke bonke abantu, boyike, bangabi sakûkûmala.

14 Xa utê wafika kulo ilizwe akunika lona u-Yehova u-Tixo wakô, walihlutâ, wema kulo, watî, Ndiya kuzimisela ukumkani njengentlanga zonke ezindijikelezileyo:

15 Wozimisela ukumkani aya kumnyula u-Yehova u-Tixo wakô, uzimisele ukumkani wakubazalwana bakô; akungekê uzimisele ndoda yolunye uhlanga enge ngumzalwana wakô.

16 Kodwa angazandiseli amahashe, angababuyiseli abantu e-Yiputa ukuze andise amahashe; ngokuba u-Yehova watî kuni, Ize ningabi sapînda nibuye ngalondlela.

17 Angazandiseli abafazi, ize ityeke intliziyo yakê; angazandiseli kakûlu silvere na-golide.

18 Wotî, xenikweni atê wahlala e-troneni yobukumkani bakê, azibâlele impînda yombâlo yalomyalelo encwadini, etâbatâ kwepâmbî kwabenzeleleli aba-Levi;

19 Ibe ngakuye, alese kuyo imihla yonke yobomi bakê, ukuze afunde ukumoyi-

Digitized by Google

ka u-Yehova u-Tíxo wakê, nokuwagcina onke amazwi alomyalelo nalemimiselo, ukuba awenze;

20 Ukuba ingapâkâmi intliziyo yakê pezu kwabazalwana bakê, angatyeki emtêtweni, aye ekunene nasekôhlo; ukuze ayolule imihla ebukumkanini bakê, yena, nonyana bakê pâkati kwama-Sirayeli.

18 Abenzeleleli, aba-Levi, sonke isizwe saba-Levi, mabangabi nasabelo nalifa kunye nama-Sirayeli; bodla ukudla kwasemlilweni-ke ku-Yehova, nelifa lakê;

2 Mabangabi nalifa pâkatî kwabazalwana babo; ngu-Yehova ilifa labo, njengoko watêtâyo kubo.

3 Soba sesi-ke isilunga sabenzeleleli, esipûma ebantwini, esipûma kwababingelela imibingelelo, nokuba yinkomo, nokuba yigusha: bomnika umenzeleleli umkôno nemihlatî neswili.

4 Womnika ulibo lwenqôlowa yakô, nolwe-wayini yakô entsha, nolwe-oli yakô; noboya bokuqala bomcêbo wempahla yakô emfutshane.

5 Ngokuba u-Yehova u-Tíxo wakô wamnyula ezizweni zakô zonke, ukuba eme alungiselele egameni lika-Yehova, yena nonyana bakê, yonke imihla.

6 Xa atê weza um-Levi epûma nakulipî isango emasangweni akô, kuwo onke ama-Sirayeli, apô apâmbûkele kôna, weza ngokunqwena konke kompêfumlo wakê kulondawo aya kuyinyula u-Yehova,

7 Walungiselela egameni lika-Yehova u-Tíxo wakê, njengabazalwana bakê bonke aba-Levi, abamiyo kona pâmbî ko-Yehova:

8 Wodla isabelo njengabanye; ibeyodwa yona intengiso yakê ngezinto zezindlu zoyise.

9 Xa utê wafika kulo ilizwe akunikayo u-Yehova u-Tíxo wakô, uz'ungafundi ukwenza amasikizi ezontlanga;

10 Zekungafunyanwa namnye kuni ucandisa unyana wakê nentombi yakê emlilweni, novumisayo, nolitola, nohlaba izihlabo, nokâfulayo,

11 Nonemilingo, nobuza koneshologu, nosiyazi, negqwifa.

12 Kuba balisikizi ku-Yehova bonke abenza ezonto; kungenxa yalomasikizi lento u-Yehova u-Tíxo wakô azigqogqayo zingabikô ebusweni bakô.

13 Uz'ugqibelele ukuba no-Yehova u-Tíxo wakô.

14 Kuba ezintlanga uzigqogqayo zapûlapûla amatola nabavumisi; ke wena akakunikanga okunjalo u-Yehova u-Tíxo wakô.

15 U-Yehova u-Tíxo wakô uya kunivelisela um-profeti opûma pâkatî kwenu, kubazalwana benu, onjengam; ize nipûlapûle yena;

16 Njengako konke owakucelayo ku-Yehova u-Tíxo wakô, e-Horebe ngomhla wesikûngu, usitî, Mandingapîndi ndilive izwi lika-Yehova u-Tíxo wam, nalomlilo mkûlu mandingabi sawubona ukuze ndingafi.

17 Watî-ke u-Yehova kum, Balungisile ukutsho.

18 Ndiya kubavelisela um-profeti, epûma pâkatî kwabazalwana babo, onjengawe; ndiwabeke amazwi am emlonyeni wakê, atêtê kubo konke endiya kubawisela umtêtô ngako.

19 Kotî-ke, kulowo utê akalipûlapûla ilizwi lam, aya kulitêtâ ngegama lam, mna ndiyibuze lonto kulomntu.

20 Kodwa um-profeti yena otê wakûkûmala, watêtâ ilizwi ngegama lam, endingamwiselanga mtêtô ukuba alitêtê, notê watêtâ ngegama latîxo bambî: lom-profeti makafe.

21 Xa-ke utê entliziyweni yakô, Sotînina ukulazi ilizwi angalitêtânga u-Yehova?

22 Ilizwi, atê walitêtâ um-profeti ngegama lika-Yehova, alabikô, alehla: lelo ilizwi angalitêtânga u-Yehova; utêtê ngokukûkûmala um-profeti lowo uz'unganxungupâliswa nguye.

19 Xa atê u-Yehova u-Tíxo wakô wazinqumla intlanga-ezo akunika ilizwe lazo u-Yehova u-Tíxo wakô, wazigqogqa wena, wahlala emizini yazo nasezindlwini zazo:

2 Wozahlulela imizi emitâtû pâkatî kwelizwe lakô akunikayo u-Yehova u-Tíxo wakô ukuba ulime;

3 Uzilungisele indlela, uwahlule ube zahlulo zitâtû umda welizwe lakô aya kukudlisa ilifa lalo u-Yehova u-Tíxo wakô, ukuze bonke ababulali basabele kôna.

4 Lilo eli isiko awopatwa ngalo umbulali otê wasabela kôna ukuba asinde: otê

Digitized by Google

wambulala uwabo ngengozi, ebengamtiyile ngapâmbîli;

5 Waya nowabo ehlatîni, esiya kugaula imitî, isandla sakê sajiwula izembê, enqumla imitî, yapunyuka intsimbî empînini, yabetâ kuwabo, wafa; lowo wosabela komnye umzi kulomizi, asinde;

6 Hleze umpîndezeli wegazi amsukele umbulali lowo, kuba ishushu intliziyo yakê, amfumane, ngokubande kwendlela, ambulale afe; engafanele kufa, kuba ebengamtîyile ngapâmbîli.

7 Ngenxa yoko ndikuwisela umtêtô, ndisitî, Wozahlulela imizi emitâtû.

8 Ke ukuba u-Yehova u-Tîxo wakô utê wawenza banzi umda wakô, njengoko wafungayo koyihlo, wakunika lonke elozwe, awati wobanika lona oyihlo;

9 Xa utê wawugcina ukuba uwenze, lomtêtô wonke ndikuwisela wona namhla ukuba umtânde u-Yehova u-Tîxo wakô, uhambê ngendlela zakê imihla yonke: usa kuyongeza imizi ibe mitâtû kulemitâtû;

10 Ukuze kungapâlazwa gazi linge natyala pâkatî kwelizwe lako, akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba libe lilifa, amagazi abe pezu kwakô.

11 Xa atê umntu wamtîya uwabo, wamlalela, wamvunukela, wambulala, wafa; wasabela komnye umzi kulomizi:

12 Amadoda amakûlu omzi wakê otûmela, amtâbatê kôna, amnikele esandleni sompîndezeli wegazi, ambulale, afe.

13 Zelingabi nanceba iliso lakô kuye; wolitshayela-ke igazi elinge natyala lingabikô kwa-Sirayeli, kulunge kuwe.

14 Uz'ungawushenxisi umlima-ndlela wowenu, abawumisayo abamandulo elifeni lakô, oya kulidla ezweni-elo akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba ulime.

15 Zekungesuki kume nqîna linye ngomntu ngenxa yobugwenxa nokuba bubupîna, nangenxa yesono nokuba sisipî, esonweni nokuba sisipî ône ngaso; zelimiswe ilizwi ngomlomo wamanqîna amabini, nokuba kungomlomo wamanqîna amatâtû.

16 Xa kutê kwema inqîna elifumana limbopâ umntu, ukuba linqîne okutyekileyo ngaye;

17 Lomadoda mabini abambênevo oma pâmbî ko-Yehova, pâmbî kwabenzeleleli nabagwebi abaya kubakô ngalomihla;

18 Bancine abagwebi akuba-ke inqîna lilinqîna lobuxoki, linqîne ubuxoki ngomzalwana walo,

19 Ize nenze kulo, njengoko belicinga ukwenza ngako kumzalwana walo; nibutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwenu;

20 Beve abanye, boyike kungabi sapîndwa kwenziwe ngokwalendawo imbî pâkatî kwenu.

21 Zelingabi nanceba iliso lakô: umpêfumlo wobuyiselwa ngompêfumlo, iliso ngeliso, izinyo ngezinyo, isandla ngesandla, unyawo ngonyawo.

20 Xa utê wapûma waya kulwa nentshaba zakô, waza wabona amahashe nenqwelo zokulwa, abantu abaninzi kunawe, uz'ungaboyiki; ngokuba unawe u-Yehova u-Tîxo wakô owakunyusayo ezweni lase-Yiputa.

2 Kotî-ke, xenikweni nitê nasondela ekulweni, afike umenzeleleli, atêtê ebantwini,

3 Atî kubo, Yiva, Sirayeli, nisondele namhla ekulweni nentshaba zenu, mayingatâmbî intliziyo yenu, musan' ukoyika, musan' ukupâkuzela, musan' ukungcangcazela ebusweni bazo;

4 Ngokuba u-Yehova u-Tîxo wenu uhambâ nani, ukuba anilwele kwintshaba zenu, anisindise.

5 Ababâli botêtâ ebantwini, batî, Ngubani-na umntu owakê indlu entsha, akayisungula? makahambê abuyele endlwini yakê, hleze afe emfazweni, isungulwe mntu wumbî.

6 Ngubani-na umntu otyele isi-diliya, akadla kuso? makahambê abuyele endlwini yakê, hleze afe emfazweni, sidliwe mntu wumbî.

7 Ngubani-na umntu ogane umfazi, akamzeka? makahambê abuyele endlwini yakê, hleze afe emfazweni, azekwe mntu wumbî.

8 Boqokela ababâli batêtê ebantwini, batî, Ngubani-na umntu owoyikayo, ontliziyo itâmbîleyo? makahambê abuyele endlwini yakê, inganyibiliki intliziyo yabazalwana bakê njengentliziyo yakê.

9 Kotî, bakugqiba ababâli ukutêtâ ebantwini, bamise abatêtêli bemikôsi bokukôkela abantu.

10 Xa utê wasondela emzini, usiya kulwa nawo, womemeza uxolo kuwo;

Digitized by Google

11 Kutî, ukuba utê wakupêndula ngoxolo, wakuvulela: bonke abantu abafunyenwe kuwo babe ngabafakwa uviko, bakukônze.

12 Ke ukuba utê awaxola nawe, wesuka wenza imfazwe nawe: wowungqinga wena;

13 Ukuba utê wawunikela u-Yehova u-Tîxo wakô esandleni sakô: woyibulala yonke into eyindoda kuwo ngohlangotî lwerele;

14 Kodwa abafazi, nabantwana, nenkomo, nento zonke ezitê zabakô kulomzi, amaxôba awo onke wozitîmbêla kuwe, uwadle amaxôba entshaba zakô akunikileyo u-Yehova u-Tîxo wakô.

15 Uya kwenje njalo kuyo yonke imizi ekude kakûlu kuwe, engeyiyo yona imizi yezintlanga.

16 Kodwa emizini yezizizwe akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba ibe lilifa, uz'ungasindisi nanye into epêfumlayo;

17 Wowasingela pantsi kanye ama-Heti, nama-Amori, nama-Kanan, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi, njengoko wakuwisela umtêtô u-Yehova u-Tîxo wakô;

18 Ukuze banganifundisi ukwenza amasikizi abo onke abawenze kotîxo babo; nône ku-Yehova u-Tîxo wenu.

19 Xa nitê-ke nenz'intsuku niwungqingile umzi, nisilwa nawo ukuba niwuhlutê, uz'ungayonakalisi imiti yawo ngokuyixabela ngezembê; kuba uya kudla kuyo, uz'ungayigauli; kuba umtî wasendle ungumntu-na, ukuba ungqingwe nguwe?

20 Ngumtî owaziyo ukuba asimtî udliwayo wodwa owowonakalisa, uwugaule, wakê into zokungqinga umzi olwa nawo, ude uwe.

21 Xa kutê kwafunyanwa obuleweyo kuwo umhlaba, akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba uwume, equngquluzile endle, akwaziwa ukuba ubulewe ngubanina:

2 Opûma amadoda amakûlu akowenu nabagwebi bakowenu, alinganise asingise emizini emjikelezileyo lowo ubuleweyo.

3 Kotî-ke, umzi osondeleyo kobuleweyo, amadoda amakûlu alomzi atâbatê itôkazi lenkomo, elingasetyenziswanga, elingatsalanga nga-dyokwê;

4 Ahle amadoda amakûlu netôkazi, aye emfuleni ohlal' unamanzi, ongalinywanga, ongahlwayelwanga, alapûle intamo itôkazi emfuleni apô;

5 Bafike abenzeleleli, onyana baka-Levi; ngokuba unyule bona u-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba balungiselele kuye, basikelele ngegama lika-Yehova; kume ngokomlomo wabo ukubambâna konke nokubetâ konke:

6 Onke amadoda amakûlu alomzi usondeleyo kobuleweyo ozihlambâ izandla zawo pêzu kwetôkazi elapûlwe intamo emfuleni apô;

7 Apêndule, atî, Izandla zetu azilipâlazanga eligazi, namehlo etû akabonanga;

8 Camagu, Yehova, kubantu bakô ama-Sirayeli owawakûlulayo, mus' ukubeka igazi elinge natyala pâkatî kwabantu bakô ama-Sirayeli. Bolicanyagushelwa-ke igazi.

9 Ulitshayele-ke wena igazi elinge natyala lingabikô pakati kwakô, xa utê wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova.

10 Xa utê wapûma, waya kulwa nentshaba zakô, wazinikela u-Yehova u-Tîxo wakô esandleni sakô, watîmbâ abatînjwa kuzo,

11 Wabona pâkatî kwabatînjwa intokazi emzimbâ mhle, watâna-nca nayo, wayizeka yangumkakô:

12 Woyingenisa pâkatî, endlwini yakô, icêbe intloko yayo, inqumle inzipo zayo,

13 Iyisuse kuyo ingubo yokutînjwa kwayo, ihlale endlwini yakô, imlilele uyise nonina inyanga ipêla; emveni koko woyingena, ube yindod'ayo, yona ibe ngumkakô.

14 Kotî, ukuba utê akwayinanza, woyindulula iye ekutândeni kwayo; ungakê utêngise ngayo ngemali, ungayipâtî kakubi, uyonile-nje.

15 Xa itê indoda yanabafazi ababini, omnye etândwa, omnye etîyiwe, bayizalela onyana, lowo utândwayo nalowo utîyiweyo; ke unyana wamazibulo wangowotîyiweyo;

16 Kotî mini ibabela ilifa lento enayo onyana bayo, ingabi nakô ukumenza owamazibulo unyana wotândwayo pâmbî konyana wotîyiweyo ongowamazibulo;

17 Kuba owamazibulo, unyana lo wotîyiweyo, yomazalelela imnike izahlulo ezibini zento yonke eya kufunyanwa inayo; ngokuba eyingqalo yokuqina kwayo, bulungê naye ubuzibulo.

Digitized by Google

18 Xa indoda itê yanonyana oyinjubaqa, onenkani, ongalipûlapûliyo ilizwi loyise nelizwi lonina, bambetâ akabapûlapûla noko:
19 Uyise nonina bombambâ, bapûme naye, baye kumadoda amakûlu omzi wakowabo, nasesangweni lalondawo yakowabo;
20 Batî kumadoda amakûlu omzi wakowabo, Lonyana wetû uyinjubaqa, unenkani, akalipûlapûli ilizwi letû, ulidlakudla, ulinxila.
21 Omgibisela ngamatye onke amadoda omzi wakowabo, afe; ubutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwakô, eve onke ama-Sirayeli, oyike.

22 Xa itê indoda yanesono esifanelwe kukufa, yabulawa, yaxônywa emtîni:
23 Isidûmbû sayo masingalali emtini, wosincwaba kwangalomini; ngokuba oxônyiweyo usiqalekiso ku-Tîxo; uz'ungawenzi inqambî umhlaba wakô akunikayo u-Yehova u-Tîxo wakô ukuba ube lilifa.

22 Uz'ungatî uyibona inkomo yomzalwana wakô nokuba yigusha yakê ilahleka, uzisitêlise kuyo; woyibuyisela nokuba kutê-ni kumzalwana wakô.
2 Ke, ukuba akasondelelene nawe umzalwana wakô, akumazi, wozihlanganisela ekâya lakô, zibe kuwe, ade azifune umzalwana wakô, uzibuyisele kuye-ke.
3 Uya kwenje njalo kwi-esile lakê, wenje njalo kwingubo yakê, wenje njalo kwinto yonke yomzalwana wakô elahlekileyo, etê yalahleka kuye, wayifumana wena; akunakuzisitêlisa kuyo.

4 Uz'ungatî ulibona i-esile lomzalwana wakô nokuba yinkomo yakê iwile endleleni, uzisitêlise kuyo; womncedisa ukuyivusa.

5 Impahla yendoda iz'inganxitywa yinkazana; nendoda iz'ingazinxibî ingubo zenkazana; ngokuba bangamasikizi ku-Yehova u-Tîxo wakô bonke abenza ezonto.

6 Xa utê waqubisana nendlu yentaka endleleni, nokuba kusemtîni, nokuba kusemhlabeni, nokuba imatôle nokuba imaqanda, unina ehleli pezu kwamatôle lawo, nokuba kupêzu kwamaqanda: uz'ungamtâbatî unina kunye namatôle;
7 Womndulula unina lowo, uzitâbatêle amatôle lawo, ukuze kulunge kuwe, uyolule imihla yako.

8 Xa utê wakâ indlu entsha, wolwenzela unqâmeko upâhla lwakô, ukuze ungazisi magazi endlwini yakô, xa atê wawa owayo kuyo.
9 Uz'ungasihlwayeli isi-diliya sakô intlobo ezimbîni zembêwu; hleze inzala yembêwu oyihlwayeleyo kunye nongeniselo lwesi-diliya eso lulunge kwindawo engcwele.

10 Uz'ungalimi ngenkomo ne-esile kunye.
11 Uz'ungambâtî ingubo engumxûbe, uboya ne-linen ndawo-nye.

12 Uz'uzenzele intshinga emasondweni omane engubo, ozigubungela ngayo.

13 Xa indoda itê yazeka umfazi, yamngena yaza yamtîya,
14 Yatêtâ ngaye intlondi ezibangela intêtô, yamvelisela igama elibi, yatî, Ndimzekile lomfazi, ndasondela kuye, andazifumana impawu zobuntombî kuye:
15 Uyise wentombî nonina bozitâbatâ impawu zobuntombî bentombî-leyo, bapûme nazo bazise kumadoda amakûlu omzi esangweni;
16 Atî uyise wentombî kumadoda amakûlu, Intombî yam ndiyinike lomfo ukuba ibe ngumkakê, wayitîya;
17 Yabonani, utêtê intlondi ezibangela intetô, esitî, Andizifumananga impawu zobuntombi entombîni yako; ke nazi impawu zobuntombi bentombî yam. Bayaneke ingubo *enazo* pâmbî kwamadoda amakûlu omzi.
18 Amadoda amakûlu alomzi omtâbatâ lomfo, ambetê,
19 Amhlahlise ikûlu *le-shekele* ze-silivere, anike uyise wentombî; ngokuba wayivelisela igama elibi intombî yakwa-Sirayeli; ibe ngumkakê-ke; akayi kuba nakuyala yonke imihla yakê.
20 Ke ukuba elilizwi litê layinyaniso, azafumaneka impawu zobuntombi balontombî:
21 Oyikûpâ lontombî ayimise ngasemnyango wendlu yoyise, ayigibisele ngamatye amadoda omzi wakowayo, ife; ngokuba yenze ubudenge kwa-Sirayeli, yahe-

Digitized by Google

nyuza endlwini yoyise; ubutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwenu.

22 Xa indoda itê yafunyanwa imlele umkamntu: bofa bobabini, londoda ilele nalomfazi, nomfazi lowo; ubutshayele-ke ububi bungabikô kwa-Sirayeli.

23 Xa kutê kwakô inkazana eyintombî eganelwe indoda, wayifumana umfo pâkatî komzi, wayilala:
24 Nobakûpâ bobabini nibamise ngasesangweni lalomzi, nibaxulube ngamatye, bafe; inkazana-leyo ngenxa yokuba ingakâlanga ipâkatî komzi, umfo lowo ngenxa yokuba emônile umfazi wowabo; ubutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwakô.

25 Ukuba umfo utê wayifumana endle intombî eseliganiwe, wayibambâ lomfo, wayilala: wofa yedwa lomfo uyileleyo.
26 Uzungayenzi into intombî leyo; akukô sono silingenwe kukufa entombîni; ngokuba njengoko indoda itî imvunukele uwayo imbulale afe, injalo lendawo.
27 Ngokuba uyifumene endle, yakâla intombi eganiweyo, akwabikô uyisindisayo.

28 Xa umfo atê wayifumana intombî eyintombî engaganiweyo, wayibambâ, wayilala; kwafumaneka ukuba kunjalo:
29 Lomfo uyileleyo womnika uyise wentombî amashumi omahlanu *e-shekele* zesilivere, ibe ngumkakê, ngenxa yokuba eyonile; akanakuyala yonke imihla yakê.

30 Indoda mayingamzeki umkayise, ingalitŷîli isondo lengubo kayise.

23 Makangangeni ebandleni lika-Yehova olinyazwe ngokutyunyuzwa amasende, nonqanyulwe ubudoda.
2 Makungangeni mgqakwe ebandleni lika-Yehova; nesizukulwana sawo seshumi masingangeni ebandleni lika-Yehova.

3 Makangangeni ebandleni lika-Yehova um-Amon nom-Mowabi; nesizukulwana sabo seshumi masingangeni ebandleni lika-Yehoa napâkade.
4 Ngenxa yokuba benganikâulelanga ngesonka nangamanzi endleleni, ekupûmeni kwenu e-Yiputa, nangenx'enokuba bakuqeshela u-Bileham unyana ka-Behore, wase-Petore kwa-Aram pâkatî kwemilambô, ukuba akuqalekise.
5 Akavuma-ke u-Yehova u-Tîxo wakô ukumpûlapûla u-Bileham; usuke u-Yehova u-Tîxo wakô, wakuguqulela isiqalekiso saba yintsikelelo; ngokuba ubekutânda u-Yehova u-Tîxo wakô.
6 Uz'ungalukâtâleli napâkade uxolo lwabo nokuhlala kwabo kakuhle yonke imihla yakô.

7 Az'angabi lisikizi kuwe um-Edom, ngokuba ngumzalwana wakô; az'angabi lisikizi kuwe um-Yiputa, ngokuba ubungumpâmbûkeli ezweni lakê.
8 Onyana abatê babazala, abasizukulwana sabo sesitâtû, bongena ebandleni lika-Yehova.

9 Xa utê wapuma umkôsi, waya ezintshabeni zakô: uz'uzigcine kwinto yonke embî.
10 Xa kutê kwakô kuwe indoda engahlambûlukileyo ngenxa yento eyihleleyo ebusuku: yopûma iye ngapândle kweminquba; mayingangeni pâkatî kweminquba;
11 Kotî, xa kuhlwayo, ihlambê ngamanzi; iti lakutshona ilanga, ingene-ke ngapâkatî kweminquba.
12 Woba nendawo engapândle kweminquba, upûme-ke uye kôna endle,
13 Ube nolugxa empahleni yakô; kutî, ekuhlaleni pântsi kwakô endle, umbê ngalo, uhlale pântsi ukuselele okupûma kuwe;
14 Ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô uhambâhambâ pâkatî kweminquba yakô, ukuba akuhlangule, azinikele intshaba zakô kuwe; icokiseke iminquba yakô, angaboni nto izintloni kuwe ajike emke kuwe.

15 Uz'ungamnikeli enkosini yakê umkônzi osabele kuwe, esuka enkosini yakê;
16 Wohlala nawe pâkatî kwenu, kulondawo ate wayinyula kwelinye isango emasangweni akô, apô kumlungele kôna; uz'ungamxinzeleli pântsi.

17 Makungabikô ŋawukazi kwindawo engcwele ezintombîni zakwa-Sirayeli; makungabikô sifebe kwindawo engcwele konyana baka-Sirayeli.
18 Uz'ungalungenisi utsheqo lwehenyukazi nomvuzo wenja endlwini ka-Yehova

Digitized by Google

u-Tixo wakô, ngenxa yesibâmbâtiso nokuba sisipi; ngokuba zingamasikizi ku-Yehova zombini ezonto.

19 Uz'ungambizi nzala umzalwana wakô; nzala yamali, nzala yakutya, nzala nokuba yeyani ekubizwa inzala ngayo;
20 Wobiza inzala kowolunye uhlanga; uz'ungabizi nzala kumzalwana wakô, ukuze akusikelele u-Yehova u-Tixo wakô ezintweni zonke osisa kuzo isandla sakô, kulo ilizwe ongena kulo ukuba ulime.

21 Xa utê wabâmbâtisa isibâmbâtiso ku-Yehova u-Tixo wakô, uz'ungalibali ukusizalisa; ngokuba u-Yehova u-Tixo wakô uya kusibiza kuwe; kube sisono kuwe.
22 Ke xa utê wayeka, akwabâmbâtisa, akuyi kuba sono oko kuwe.
23 Okupûme emlonyeni wakô kugcine, ukwenze; njengoko ubâmbâtise ngako ku-Yehova u-Tixo wakô ngokuqûtywa yintliziyo, wakutêtâ ngomlomo wakô.

24 Xa utê wangena esi-diliyeni sowenu, ungayidla i-diliya uzifikisele, uhlutê, kodwa ungagaleli esityeni sakô.

25 Xa utê wangena enqôloweni yowenu, engekavunwa wokâ izikwebu ngesandla sakô, ungafaki fengqa enqôloweni yowenu engekavunwa.

24 Xa itê indoda yazeka umfazi, yayindod'akê, kotî-ke ukuba utê akafumana kubabalwa emehlweni ayo, ngokuba ifumene indawo ezintloni kuye, yambâlela incwadi yokumala, yamnikela esandleni, yamgxotâ endlwini yayo;
2 Wapûma endlwini yayo, waya waba ngowandoda yimbî;
3 Yamtîya lendoda iyiyimbî, yambâlela incwadi yokumala, yamnikela esandleni, yamgxotâ endlwini yayo, nokuba itê yafa lendoda iyiyimbî yamzekayo wangumkayo;
4 Mayingabi nakô indoda yakê yokuqala eyamgxotâyo ukubuya imzeke abe ngumkayo, emveni kokuba enziwe inqambî; ngokuba lisikizi-elo ku-Yehova; uz'ungalenzi ukuba lône ilizwe elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wabô ukuba libe lilifa.

5 Xa indoda itê yazeka umfazi omtsha, mayingapûmi nomkôsi, ingapâtîswa mse-benzi nawupî: yokûluleka ngenxa yendlu yayo umnyaka ube-mnye, ivuyisane nomkayo emzekileyo.
6 Makangenziwa sibambîso amatye okusila, nokuba lelingapêzulu, kuba oko kukubambîsa ngompêfumlo.

7 Xa itê indoda yafunyanwa isibâ umntu ebazalwaneni bayo, onyana baka-Sirayeli, impâtê kukubi, itêngise ngaye njengekôboka: malife elosela; ubutshayele-ke ububi bungabikô pâkatî kwakô.

8 Zigcine esibetweni seqênqa, ugcine kunene, wenze ngokwezinto zonke abaya kuniyala ngazo abenzeleleli aba-Levi; njengoko ndabawisela umtêtô, nigcine ukwenza.
9 Kûmbûla oko u-Yehova u-Tixo wakô wakwenza ku-Miriyam endleleni ekupûmeni kwenu e-Yiputa.

10 Xa utê wamboleka uwenu nokuba yinto-ni ebolekwayo, uz'ungangeni endlwini yakê, uye kutâbatâ isibambîso kuye.
11 Uz'ume ngapândle, itî londoda uyibolekayo ipûme, sizise kuwe isibambîso eso.
12 Ukuba indoda itê yaba iswele, uz'ungalali unesibambîso sayo;
13 Wosibuyisela kuyo isibambîso eso ukutshona kwelanga, ilale ngengubo yayo, ikusikelele, ube nobulungisa pânibî ko-Yehova u-Tixo wakô.

14 Uz'ungamcudisi umqeshwa ongaba uswele, elihlwempu, nokuba ngowabazalwana bakô, nokuba ngowabapâmbûkeli bakô abasezweni lakô emasangweni akô.
15 Ngemini yakê womnika umvuzo wakê, lingatshoni ilanga usekuwe; ngokuba eswele, ewumise umpêfumlo wakê kuwo; hleze akâle ngawe ku-Yehova, oko-ke kube sisono kuwe.

16 Oyise mabangabulawa ngenxa yonyana; onyana mabangabulawa ngenxa yoyise; elowo makabulawe ngesono sakê.

17 Uz'ungasijiki isigwebo sowasemzini nesenkedama; ungayenzi isibambîso ingubo yomhlolokazi.
18 Kûmbûla ukuba ubungumkônzi e-Yiputa; u-Yehova u-Tixo wakô wakukûlula kôna: ngenxa yoko ndikuwisela umtêtô ukuba uyenze lento.

Digitized by Google

19 Xa utê waluvuna uvuno lwakô entsimini yakô, walibala isitûngu entsimi: uz'ungabuy'uye kusitâbata; soba sesompâmbûkeli, nesenkedama, nesomhlolokazi, ukuze u-Yehova u-Tixo wakô akusikelele emsebenzini wonke wezandla zakô.

20 Xa utê wawuvutûlula umnquma wakô, uz'ungapîndi uwavutûlule amasebe emva kwakô; woba ngowompâmbûkeli, nowenkedama, nowomhlolokazi.

21 Xa utê wasivuna isi-diliya sakô, uz'ungasibîkici emva kwakô; soba sesompâmbûkeli, nesenkedama, nesomhlolokazi;

22 Ukûmbûle, ukuba ubungumkônzi ezweni lase-Yiputa; ngenxa yoko ndikuwisela umtêtô ukuba uyenze lento.

25 Xa kutê kwabambâna amadoda, kweziwa ematyaleni ukuba litêtwe ityala lawo, ize igwetyelwe elilungisa, igwetywe engendawo;

2 Kotî-ke, ukuba itê engendawo yafanelwa kubetwa, umgwebi ayilalise pântsi, ibetwe pâmbî kwakê, ngokulingene nokungabi ndawo kwayo, ngokwenani;

3 Ibetwe *imivumbô* emashumi mane kungongezwa; hleze, kwakongezwa yabetwa imivumbô emininzi ngapêzu kwaleyo, acukucezeke umzalwana wakô emehlwenî akô.

4 Uz'ungayibopî umlomo inkomo ibûla.

5 Xa batê bahlala ndawonye abantu bezalana, wafa omnye kubo enge nanyana: umfazi wofileyo makangendeli kwindoda yasemzini, yangapândle; ozalana nendod'akê maz'amngene, amzeke, abe ngumkakê, enze kuye okozalana nendoda yakê.

6 Kotî-ke, owamazibulo atê wamzala, eme ngegama lomfi lowo, lingacinywa igama lakê kwa-Sirayeli.

7 Ke ukuba indoda-leyo itê aya kunanza ukumzeka umkamfi lowo, wonyuka umkamfi lowo, aye esangweni kumadoda amakûlu, atî, Lamtu uzalana nendoda yam akavumi ukumvelisela umntakayise igama kwa-Sirayeli, akavumi ukwenza kum okozalana nendoda;

8 Ayibize amadoda amakûlu omzi wayo, atêtê kuyo; ime, itî, Andikunanzile ukumzeka;

9 Afike kuyo umkamfi lowo pâmbî kwamadoda amakûlu, ayikûlule imbâdada elunyaweni lwayo, ayitshicele ebusweni, apêndule atî, Makwenjiwe nje kwindoda engayi kuyakâ indlu yomntu ozalana nayo.

10 Kotîwa-ke igama layo kwa-Sirayeli Ngu-Ndlwikûlulw'imbâdada.

11 Xa kutê kwantlalana amadoda amabini, umntu nomzalwana wakê, wasondela umfazi wenye ukuba ahlangule indod'akê esandleni seyibetâyo, wolula isandla sakê, wayibambâ ngamapâmbîli:

12 Wosinqumla isandla sakê, lingabi nanceba iliso lakô.

13 Uz'ungabi namatye ngamatye okulinganisa enxôweni yakô, amakûlu namancinane.

14 Uz'ungabi ne-efa nge-efa endlwini yakô, enkulu nencinane,

15 Uz'ube nelitye elizalisekileyo elilelobulungisa; uz'ube ne-efa ezalisekileyo eyiyeyobulungisa, ukuze yolulwe imihla yakô emhlabeni lowo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô;

16 Ngokuba bangamasikizi ku-Yehova u-Tixo wakô bonke abenza lonto, bonke abenza ubumenemene.

17 Kûmbûla lonto wayenzayo u-Amaleki kuwe endleleni, ekupûmeni kwenu e-Yiputa;

18 Owakuhlangabezayo ngendlela, wabetâ kuwo umqosheliso wakô, bonke ababêlelweyo abasemva kuwe, utyafile udiniwe; akamoyika u-Tixo.

19 Kotî, ekukupûmzeni kuka-Yehova u-Tixo wakô ezintshabeni zakô zonke ngenxa zonke, ezweni-elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô ukuba libe lilifa ulime, usicime isikûmbûzo sika-Amaleki pântsi kwezulu: uz'ungalibali.

26 Kotî, xa utê wangena ezweni-elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô ukuba libe lilifa, walihlutâ, wema kulo;

2 Utâbatê inxenye yolibo lweziqâmo zonke zomhlaba oya kuzingenisa zipûma ezweni lakô akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô; uzibeke engobozini, uye kulondawo u-Yehova u-Tixo wakô, aya kuyinyulela ukuba alibeke kôna igama lakê;

3 Uye kumenzeleleli otê wakô ngalomihla, utî kuye, Ndiyaxela namhla ku-Ye-

Digitized by Google

hova u-Tixo wakô, ukuba ndingenile kulo ilizwe, awafungayo u-Yehova kobawo ukuba wosinika lona;

4 Ayitâbatê umenzeleleli ingobozi esandleni sakô, ayibeke pântsi pâmbî kwesibingelelo sika-Yehova u-Tixo wakô.

5 Upéndule-ke utî pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô, Ebe ngum-Aram ocîtâkeleyo ubawo, wehla waya e-Yiputa, wapâmbûkela kôna, ebantu bambalwa, waba luhlanga-ke kôna olukûlu olunamandla, oluninzi:

6 Asipâtâ kakubi ama-Yiputa, asicinezela, abeka umsebenzi onzima pézu kwetû;

7 Sakâla ku-Yehova u-Tixo wobawo, walipûlapûla u-Yehova izwi letû; wazibona intsizi zetû, nokwapúka kwetu, nokuxinwa kwetû;

8 Wasikûpâ u-Yehova e-Yiputa ngesandla esitê-nqi, nangengalo eyolulweyo, nangokoyikeka okukûlu, nangemiqondiso, nangezimanga;

9 Wasingenisa kulendawo, wasinika elilizwe, ilizwe elinamasi nobusi.

10 Kaloku-ke nanku ndizise ulibo lweziqâmo zomhlaba lowo undinikileyo, Yehova. Uyibeke pântsi pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô, uqubude pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô,

11 Uvuye nendlu yakô ezintweni zonke ezilungileyo akunikileyo u-Yehova u-Tixo wakô, wena, nom-Levi, nompâmbûkeli opâkatî kwenu.

12 Xa utê wagqiba ukunikela isishumi sonke songeniselo lwakô ngonyaka wesitâtû, ongumnyaka wezishumi, wamnika um-Levi, nompâmbûkeli, nenkedama, nomhlolokazi, badla emasangweni akô, balilutâ:

13 Wotî pambî ko-Yehova u-Tixo wakô, Ndiyikûpe kwe-tu into engewele endlwini yam, kananjalo ndimnikile um-Levi, nompâmbûkeli, nenkedama, nomhlolokazi, ngokomtétô wakô wonke ondiwiseleyo; andigqitânga emitétweni yakô, andilibalanga nto.

14 Andidlanga nto kuyo esililweni sam, andikûpânga nto kuyo ebunqambîni bam, andinikanga nto yayo ngenxa yofileyo; ndilipûlapûle izwi lika-Yehova u-Tixo wam, ndenza ngako konke andiwisele umtétô ngako.

15 Vela ekâya lakô elingewele ezulwini, uqondele, ubasikelele abantu bakô ama-Sirayeli, nomhlaba lo usinikileyo, njengoko wafungayo kobawo, ilizwe elinamasi nobusi.

16 Namhla-nje u-Yehova u-Tixo wakô ukuwisele umtétô, ukuba uyenze lemimiselo nalamasiko; uwagcine-ke, uwenze ngentliziyo yakô yonke nangompéfumlo wakô wonke.

17 U-Yehova namhla umbangile watî, ungu-Tixo kuwe, nokuba wena uhambê ngendlela zakê, uyigcine imimiselo yakê, nemitétô yakê, namasiko akê, ulipûlapûle izwi lakê:

18 U-Yehova namhla unibangile nina, watî ningabantu abayinqobo kuye, njengoko watétâyo kuni, ukuze niyigcine yonke imitétô yakê;

19 Anipâkamise ngapézu kwentlanga zonke azenzileyo ukuba nibe yindumiso, negama, nendili; nibe ngabantu abangcwele ku-Yehova u-Tixo wenu, njengoko watétâyo.

27 U-Moses namadoda amakûlu akwa-Sirayeli abawisela abantu umtétô, esitî, Wugcineni wonke umtétô endiniwiselayo namhla.

2 Kotî, ngemini enitê nayiwela i-Yordan, nangena kwelozwe aninikayo u-Yehova u-Tixo wakô, uzimisele amatye amakûlu, uwaqabe nge-kalika,

3 Ubâle kuwo onke amazwi alomyalelo, wakuba uwelile; ukuze ungene kulo ilizwe akunikayo u-Yehova u-Tixo, ilizwe elinamasi nobusi, njengoko u-Yehova u-Tixo woyihlo watétâyo kuwe.

4 Kotî, nakuyiwela i-Yordan, nimise lamatye ndiniwisela umtétô ngawo namhla, entabeni ye-Ebali, uwaqabe ngekalika;

5 Wakêle apô isibingelelo ku-Yehova u-Tixo wakô, isibingelelo samatye; ungasipâkamiseli ntlabo yantsimbi.

6 Wosakâ ngamatye awonke isibingelelo sika-Yehova u-Tixo wakô, unyuse pézu kwaso amadini anyukayo ku-Yehova u-Tixo wakô;

7 Ubingelele imibingelelo yoxolo, udle kôna, uvuye pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakô;

8 Ubâle ulungise ematyeni lawo onke amazwi alomyalelo kakuhle.

9 U-Moses nabenzeleleli aba-Levi batêtâ-ke kuma-Sirayeli onke, besitî, Yiti-cwa-

Digitized by Google

ka, uve, Sirayeli, namhla nitê naba ngabantu ku-Yehova u-Tixo wakô,
10 Ulipûlapûle izwi lika-Yehova u-Tixo wakô, wenze imitêtô yakê nemimiselo yakê, endikuwiselayo namhla.

11 U-Moses wabawisela abantu umtêtô ngalomini, esiti,
12 Aba bayakuma, basikelele abantu entabeni ye-Gerizim, nakuyiwela i-Yordan: u-Simon, no-Levi, no-Yuda, no-Isakare, no-Yosefu, no-Benyamin;
13 Aba bayakuma, baqalekise entabeni ye-Ebali: u-Ruben, no-Gadi, no-Ashere, no-Zebulon, no-Dan, no-Nafetali.
14 Bohlabela aba-Levi, batî kuwo onke amadoda akwa-Sirayeli ngezwi elikûlu:

15 Uqalekisiwe umntu owenza umfanekiso oqingqiweyo notŷidiweyo, into elisikizi ku-Yehova, into engumsebenzi wezandla zomŕoli, ayibeke endaweni esitêleyo; bavume bonke abantu, batî, Amen.

16 Uqalekisiwe ocukuceza uyise nokuba ngunina; batî bonke abantu, Amen.

17 Uqalekisiwe oshenxisa umlima-ndlela wowabo; batî bonke abantu, Amen.

18 Uqalekisiwe olahlekisa imfama endleleni; batî bonke abantu, Amen.

19 Uqalekisiwe ojika isigwebo sompâmbûkeli nenkedama nomhlolokazi; batî bonke abantu, Amen.

20 Uqalekisiwe olala nomkayise; ngokuba utŷila isondo lengubo kayise; batî bonke abantu, Amen.

21 Uqalekisiwe olala nanto-ni ezitô zine; batî bonke abantu, Amen.

22 Uqalekisiwe olala nodade wabo, nokuba yintombî kayise, nokuba yintombî kanina; batî bonke abantu, Amen.

23 Uqalekisiwe olala nomkwêkazi wakê; batî bonke abantu, Amen.

24 Uqalekisiwe ombulalayo uwabo ngasese; batî bonke abantu, Amen.

25 Uqalekisiwe osamkelayo isicengo sokubulala umntu, igazi elinge natyala; batî bonke abantu, Amen.

26 Uqalekisiwe ongawamisiyo amazwi alomyalelo ukuba awenze; batî bonke abantu, Amen.

28 Kotî, ukuba utê walipûlapûla ngenkutâlo izwi lika-Yehova u-Tixo wakô, ukuba ugcine wenze yonke imitêtô yakê endikuwiselayo namhla, u-Yehova u-Tixo wakô akupâkamise ngapezu kwentlanga zonke zomhlaba;
2 Zibe pezu kwakô ezintsikelelo zonke, zikufumane, xa utê walipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tixo wakô.
3 Usikelelwe pâkatî komzi, usikelelwe emapândleni.
4 Sisikelelwe isiqâmo sesizalo sakô, nesiqâmo somhlaba wakô, nesiqâmo sempahla yakô ezitô zine, nenkonyana yenkomo yakô namatâkane empahla yakô emfutshane.
5 Isikelelwe ingobozi yakô, nomkômbê wakô wokuxovulela intlama.
6 Usikelelwe ekungeneni kwakô, usikelelwe ekupûmeni kwakô.
7 U-Yehova wozinikela zixatyelwe pâmbî kwakô intshaba zakô ezivukelana nawe; zipûme zisiza kuwe ngandlela-nye, zikubaleke ngendlela ezisixênxe.
8 U-Yehova uya kutêtâ intsikelelo ibe nawe emaqongeni akô, nasezintweni zonke osisa kuzo isandla sakô, akusikelele ezweni elo akunikayo u-Yehova u-Tixo wakô.
9 U-Yehova wonimisa nibe ngabantu abangcwele kuye, njengoko wakufungelayo, xa utê wayigcina imitêtô ka-Yehova u-Tixo wakô, wahambâ ngendlela zakê;
10 Zibone zonke izizwe zomhlaba, ukuba igama lika-Yehova libizwe pezu kwakô, zikoyike.
11 U-Yehova wokwandisele okulungileyo esiqâmeni sesizalo sakô, nasesiqâmeni sempahla yakô ezitô zine, nasesiqâmeni somhlaba wakô, emhlabeni lowo awafungayo u-Yehova koyihlo ukuba wokunika.
12 U-Yehova wokuvulela uvimbâ wakê olungileyo, izulu lilinike imvula ilizwe lakô ngexesha layo, awusikelele wonke umsebenzi wesandla sakô, uboleke intlanga ezininzi, ungaboleki kuzo wena;
13 U-Yehova akwenze ube yintloko, ungabi ngumsila; ibe nguwe wedwa, onyukayo ungabi ngohlayo, xa utê wayipûla-

Digitized by Google

pûla imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wakô, endikuwiselayo namhla ukuba uyigcine, uyenze;

14 Akwatyeka emazwini onke endiniwisela umtêtô ngawo namhla, uye ekunene nasekôhlo, ukulandela tîxo bambî, ubakônze.

15 Ke kotî, ukuba utê akwalipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uyigcine uyenze imitêtô yakê nemimiselo yakê, endikuwiselayo namhla, zize pêzu kwakô eziziqalekiso zonke, zikufumane.

16 Uqalekiswe pâkatî komzi; uqalekiswe emapândleni;

17 Iqalekiswe ingobozi yakô, nomkômbê wakô wokuxovulela intlama;

18 Siqalekiswe isiqâmo sesizalo sakô, nesiqâmo somhlaba wakô, nenkonyana yenkomo yakô, namatâkane empahla yakô emfutshane;

19 Uqalekiswe ekungeneni kwakô, uqalekiswe ekupûmeni kwakô.

20 U-Yehova wokutûmela isiqalekiso, nokudungadungwa, nokukâlinyelwa, ezintweni zonke osa isandla sakô kuzo, ude utshabalale, ude ubûbê kupêle, ngenxa yobubi bentlondi zakô zokuba undishiyile.

21 U-Yehova woyinamatêlisa kuwe indyikitya yokufa, ade akupêlise ungabikô pêzu komhlaba lowo uya kuwo ukuba uwume.

22 U-Yehova wokubetâ ngesifo sepêpâ, nangecesina, nangokuřala, nangokuvutâ komzimbâ, nangeřele, nangembâbala, nangexoshombâ, zikusukele ezonto ude ubûbê.

23 Izulu lakô elipêzu kwentloko yakô libe lubêdu, umhlaba opântsi kwakô ube sinyiti.

24 U-Yehova woyenza imvula yelizwe lakô ibe lutûtû notûli, ihle ezulwini pêzu kwakô ude utshabalale.

25 U-Yehova wokunikela ubetŵe zintshaba zakô, upûme ngandlela nye ukuya kuzo, uzibaleke ngendlela ezisixénxe, ube yinto yokufeketa ezikumkanini zonke zomhlaba.

26 Isidûmbû sakô sibe kukudla kwentaka zonke zezulu, nokwamařamncwa elizwe, kungabikô bani upêkuzayo.

27 U-Yehova wokubetâ ngetûmbâ laseYiputa, nangezilonda, nangokŵekŵe, nangenjinana, ongayi kuba nakô ukupîliswa kuzo.

28 U-Yehova wokubetâ ngokubûda, nangobumfama, nangokupâmbâna ingqondo,

29 Upûtâpûte emini emaqanda, njengemfama ipûtâpûtâ esitôkotôkweni; ungabi nampumelelo ezindleleni zakô, ucudiswe kodwa, upângwe yonke imihla, kungabikô bani ukusindisayo.

30 Woziganela umfazi, alalwe ndoda yimbî; woyakâ indlu, ungayihlali; wotyala isi-diliya, ungasidli.

31 Yoxêlwa inkomo yakô ukângele, ungayidli; lohlutwâ i-esile lakô ebusweni bakô, lingabuyeli kuwe; yonikwa intshaba zakô impahla yakô emfutshane, ungabi nabani uyihlangulayo.

32 Bonikwa bantu bambî onyana bakô nentombî zakô, akangele amehlo akô, apêlele kubo imini yonke, singabi namandla isandla sakô.

33 Isiqâmo somhlaba wakô, nokuxelenga kwakô konke kodliwa ngabantu ongabaziyo, ucudiswe, uvikivwe kupêla yonke imihla;

34 Ubûdiswe kubona akubonayo amehlo akô.

35 U-Yehova wokubetâ emadolweni, nasemilenzeni ngamatûmbâ amabi, ungabi nakupîliswa kuwo, atâbatêle entendeni yonyawo lwakô ase elukakayini.

36 U-Yehova wokusa wena, nokumkani wakô otê wammisa pêzu kwakô, eluhlangeni eningalwaziyo wena noyihlo, ukônze kôna apô tîxo bambî, imitî namatye;

37 Ube ngummangaliso nondaba-mlonyeni nento yentsini pâkatî kwezizwe zonke, atê u-Yehova wakuqûbela kuzo.

38 Wopûma nembêwu eninzi uye entsimini, uvune into encinane; ngokuba iya kunqunqutwâ zinkumbî.

39 Wotyala izi-diliya, uzisebenze, ungaseli wayini noko, ungavuni zidiliya; ngokuba ziya kudliwa nguřuxeshe.

40 Woba neminquma emideni yakô yonke, ungazitâmbîsi nge-oli noko; ngokuba iminquma yakô iya kunyotûlwa.

41 Wozala onyana nentombî, ungabi nabo noko; ngokuba baya kutînjwa.

42 Yonke imitî yakô nesiqâmo somhlaba wakô sohlutwâ zinkumbî.

43 Owasemzini opâkatî kwakô wokunyuka, aye enyuka ngokunyuka; wena uye usihla ngokuhla.

44 Wokuboleka yena, ungamboleki wena; woba yintloko yena, ube ngumsila wena.

Digitized by Google

45 Zoza-ke pêzu kwakô ezoziqalekiso zonke, zikusukele, zikufumane ude utshabalale; ngokuba ungalipûlapûlanga izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uyigcine imitétô yakê nemimiselo yakê akuwiseleyo;

46 Zibe ngumqondiso nezimanga kuwe, nakwimbêwu yakô kude kuse epâkadeni;

47 Ngenxa yokuba ungamkônzanga u-Yehova u-Tîxo wakô ngokuvuya, nangokucwayita kwentliziyo, ngenxa yobuninzi bezinto zonke;

48 Ukônze intshaba zakô, ezo aya kuzitûmela kuwe u-Yehova, ulambîle, unxaniwe, uhambâ-zé, uswele zonke izinto, abeke i-dyokwê yesinyiti entanyeni yakô, ade akutshabalalise.

49 U-Yehova wokuzisela uhlanga oluvela kude, esipêlweni somhlaba, olutshwebeleza njengexâlanga; uhlanga olululwimi ungayi kuluva;

50 Uhlanga olubuso bungwanyalala, olungakétî buso bandoda inkulu, olungabi nakubabala namfana;

51 Ludle isiqâmo senkomo yakô, nesiqâmo somhlaba wakô, ude utshabalale, olungayi kukushiyela nqôlowa, na-wayini intsha, na-oli, nankonyana yankomo yakô, namatâkane empahla yakô emfutshane, lude lukucîtê;

52 Lukungqinge emasangweni akô onke, zide ziwe indonga zakô ezipâkamileyo eziqabileyo okôlose ngazo, ezweni lakô lonke; lukungqinge-ke emasangweni akô onke, ezweni lakô lonke, akunikileyo u-Yehova u-Tîxo wakô;

53 Udle isiqâmo sesizalo sakô, inyama yonyana bakô nentombî zakô akunikileyo u-Yehova u-Tîxo wakô, ekungqingweni, nasekuxinweni olokuxina ngako utshaba lwakô.

54 Indoda esifebe ebixâmla ubuncwane kunene pâkatî kwakô, yomkângela ngeliso elibi umzalwana wayo, nomfazi wesifuba sayo, namasalela abantwana bayo abasaseleyo;

55 Ngokokuze inganiki namnye kubo into yenyama yabantwana bayo eyidlayo, ngenxa yokuba ingashiyelwanga nto ekungqingweni nasekuxinweni olokuxina ngako utshaba lwakô emasangweni akô onke.

56 Intokazi eyiñawukazi exâmle ubuncwane pâkatî kwakô, ebingalingi ukubeka intende yonyawo lwayo emhlabeni ngenxa yokuxâmla ubuncwane, nangenxa yokuba yiñawukazi, yoyikângela ngeliso elibi indoda yesifuba sayo, nonyana wayo, nentombî yayo;

57 Ngenxa yomkâya wayo opûma pâkatî kwenyawo zayo, nangenxa yabantwana bayo etê yabazala; kuba yobadla ngasese ekuswelekeni kwento zonke, ekungqingweni nasekuxinweni olokuxina ngako utshaba lwakô emasangweni akô.

58 Ukuba utê akwagcina ukuwenza onke amazwi alomyalelo abâliweyo kulencwadi, ukuba uloyike eligama lizukileyo loyikekayo, U-YEHOVA U-TÎXO WAKÔ:

59 U-Yehova wozenza zibaluleke izibetô zakô nezibetô zembêwu yakô, zibe zibetô ezikûlu ezihlala zihleli nezifo ezibi ezihlala zihleli;

60 Akubuyisele-ke bonke ubulwelwe base-Yiputa owanxungupâla bubo, butî-nama kuwe.

61 Nazo zonke izifo nezibetô zonke ezingabâliweyo encwadini yalomyalelo, wozinyusa u-Yehova pêzu kwakô ude utshabalale;

62 Nisale nibantu bambalwa asikûndleni sokuba naningangenkwenkwezi zezulu ukuba baninzi; ngokuba ungalipûlapûlanga izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô.

63 Kotî, njengokuba u-Yehova ebe nemihlali ngani, ukuba anenzele okulungileyo, anandise: enje njalo u-Yehova ukuba nemihlali ngani, ukuba anidakise, anitshabalalise; ninyotûlwe emhlabeni-lowo ungena kuwo usiya kuwuma;

64 Anipângalalise u-Yehova pâkatî kwezizwe zonke, etâbatêla esipêlweni somhlaba, ase esipêlweni somhlaba; ukônze tîxo bambî kôna, ongabazanga wena noyihlo, imitî namatye.

65 Pâkatî kwezontlanga akusokunyâmnyêka, ayisokuba nakupûmla intende yonyawo lwakô; u-Yehova wokunika apô ukugungqa kwentliziyo nokupêla kwamehlo nokutîswa kompêfumlo.

66 Ubomi bakô bujinge ngomsonto pâmbî kwakô, unkwantye ubusuku nemini, ungakôlwa bubomi bakô;

67 Kusasa wotî, Akwaba bekungokuhlwa! ngokuhlwa wotî, Akwaba bekukusasa! ngenxa yokunkwantya kwentliziyo yakô oya kunkwantya ngako, nangenxa yokubona aya kukubona amehlo akô.

68 U-Yehova wokubuyisela e-Yiputa ngenqanawa, ngendlela endatî kuwe, Uz'ungabi sapînda uyibone, kutêngiswe

Digitized by Google

ngani kôna ezintshabeni zenu, ukuba nibe ngamakôboka namakôbokazana, kungabikô bani unitêngayo.

29 Ngawo la amazwi omnqopîso, awamwisela u-Moses umtêtô ngawo u-Yehova, ukuba awenze nonyana baka-Sirayeli ezweni lakwa-Mowabi, ngapândle komnqopîso awawenzayo nabo e-Horebe.

2 U-Moses wawabiza ama-Sirayeli onke, watî kuwo, Nikubonile konke akwenzileyo u-Yehova emehlweni enu ezweni lase-Yiputa, ku-Faro, nakubakônzi bakê bonke, nakwilizwe lakê lonke:

3 Izilingo ezikûlu azibonileyo amehlo akô, eziyimiqondiso nezimanga ezikûlu;

4 Ke akaninikanga u-Yehova intliziyo yokwazi, namehlo okubona, nendlebe zokuva, unanamhla.

5 Ndinihambîsile iminyaka engamashumi amane entlango; ingubo zenu azonakalanga bubudala, zinishiye, nembadada zakô azonakalanga zipêle ezinyaweni zakô;

6 Anidlanga sonka, aniselanga wayini nasiselo sinxilisayo, ukuze nazi ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

7 Nafika kulendawo, wapûma u-Sihon ukumkani wase-Heshbon, no-Ogi ukumkani wase-Bashan, basihlangabeza ngenîfazwe, sababulala;

8 Salitâbatâ ilizwe labo, salinika ama-Ruben, nama-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, ukuba libe lilifa.

9 Wagcineni-ke amazwi alomnqopîso, niwenze, ukuze nikwenze ngengqiqo konke eniya kukwenza.

10 Nimi namhla nonke nipêla pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wenu; intloko zenu, nezizwe zenu, namadoda amakûlu akowenu, nababâli benu, onke amadoda akwa-Sirayeli,

11 Nabantwana benu, nabafazi benu, nompâmbûkeli opâkatî komzi wakô, kutâbatêla kogaula inkuni zakô, kuse kokâ amanzi akô;

12 Ukuba ungene emnqopîsweni ka-Yehova u-Tîxo wakô, nasesifungweni sakê, asenzayo u-Yehova u-Tîxo wakô nawe namhla;

13 Ukuze animise namhla nibe ngabantu kuye, yena abe ngu-Tîxo kuni, njengoko wakutêtâyo kuni, njengoko wakufungayo koyihlo, o-Abraham no-Isake no-Yakobi.

14 Andiwenzi nani nedwa lomnqopîso nesisifungo;

15 Ndiwenza nomi apâ natî namhla pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wetû, kwa nongekôyo apâ natî namhla;

16 Ngokuba nina niyakwazi ukuhlala kwetû ezweni lase-Yiputa, nokucanda kwetû pâkatî kwentlanga enacanda kuzo;

17 Nazibona izinto zazo ezinezotê, nezigodo ezizizitîxo zazo, imitî namatye, isilvere ne-golide, ezinazo;

18 Hleze kubekô kuni ndoda, namfazi, namzalwane, nasizwe sintliziyo ijikayo namhla, imke ku-Yehova u-Tîxo wetû, iye kukônza otîxo bezontlanga; hleze kubekô kuni ingcambû ezele ubuhlungu nomhlonyane;

19 Kutî, ekuweveni kwakê amazwi esisishwabulo, azisikelele entliziyweni yakê, esitî, Ndoba noxolo; ngokuba ndihambâ ebunqôleni bentliziyo yam, ukuze kupêtshetwe osele wahlutâ kwanonxaniweyo.

20 U-Yehova akasokuvuma ukumxolela; wosuka uqûme umsindo ka-Yehova nekwele lakê kulondoda, silale pêzu kwayo sonke isishwabulo esibâliweyo kulencwadi, alicime u-Yehova igama layo pântsi kwezulu;

21 Ayahlulele u-Yehova okubi ezizweni zonke zama-Sirayeli ngokwezishwabulo zonke zomnqopîso obâliweyo encwadini yalomyalelo.

22 Sitî isizukulwana esisemva kwenu, onyana benu abaya kuvela emva kwenu, nowolunye uhlanga ovela ezweni elikude, bazibone izibetô zelolizwe, nezifo zalo u-Yehova azihlisileyo kulo;

23 I-sulfure netyuwa, litshile lonke ilizwe lakôna, lingahlwayelwa lingahlumi nto, lingapûmi tyani, linjengokubûkuqwa kwe-Sodom ne Gomora, i-Adama ne-Tseboyim, awazibûkuqayo u-Yehova ngomsindo wakê nangobushushu bakê;

24 Zitî zonke intlanga, Kungenxa yantonina, ukuba u-Yehova enje nje kwelilizwe? Kuyinina ukuvutâ kwalomsindo mkûlu kangaka?

25 Kutîwe, Kungokuba bewushiyile umnqopîso ka-Yehova u-Tîxo woyise, awawenza nabo ekubakûpêni kwakê ezweni lase-Yiputa,

26 Baya, bakônza tîxo bambî, baqubuda kubo, otîxo abangabaziyo, abengababelanga yena:

27 Wavutâ-ke umsindo ka-Yehova kwe-

Digitized by Google

lozwe, ukuba kuziswe pêzu kwalo zonke iziqalekiso ezibâliweyo kulencwadi;
28 U-Yehova wabanyotûla emhlabeni wabo ngomsindo, nangobushushu, nangobufalafume obukûlu, wabapôsa zweni limbî, njengoko kunjalo namhla.
29 Izinto ezisitêleyo zezika-Yehova u-Tîxo wetû; izinto ezityilekileyo zezetû, nezonyana betû kude kuse epâkadeni, ukuze siwenze onke amazwi alomyalelo.

30 Kotî-ke, xa atê eza pêzu kwakô onke lamazwi, intsikelelo neziqalekiso, endizibeke pâmbî kwakô, wazikûmbûla upâkatî kwentlanga zonke, atê wakugxotêla kuzo u-Yehova u-Tîxo wakô,
2 Wabuyela ku-Yehova u-Tîxo wakô, walipûlapûla izwi lakê njengako konke endikuwisela umtêtô ngako namhla, wena nonyana bakô, ngentliziyo yakô yonke, nangompêfumlo wakô wonke:
3 Wokubuyisa-ke u-Yehova u-Tîxo wakô ukutînjwa kwakô, abe nemfesane kuwe, abuye akubutê ezizweni zonke abekupângalalisele kuzo u-Yehova u-Tîxo wakô.
4 Ukuba utê wagxotêlwa esipêlweni sezulu: wokubûta nakôna apô u-Yehova u-Tîxo wakô, wokupûtûma nakôna apô;
5 Akuzise u-Yehova u-Tîxo wakô kulo ilizwe abebelihlutîle oyihlo, ulime, akwenzele okulungileyo, akwandise ngapêzu koyihlo;
6 Ayalûse intliziyo yakô u-Yehova u-Tîxo wakô, nentliziyo yembêwu yakô, ukuba umtânde u-Yehova u-Tîxo wakô ngentliziyo yakô yonke nangompêfumlo wakô wonke, ukuze upîle;
7 Azibeke u-Yehova u-Tîxo wakô zonke ezizishwabulo pêzu kwentshaba zakô, napêzu kwabakutîyileyo, abakutshutshisileyo;
8 Ubuye-ke wena, ulipûlapûle izwi lika-Yehova, uyenze yonke imitêtô yakê endikuwiselayo namhla;
9 U-Yehova u-Tîxo wakô akwandise kumsebenzi wonke wesandla sakô, kwisiqâmo sesizalo sakô, nakwisiqâmo senkomo yakô, nakwisiqâmo somhlaba wakô, kulunge; ngokuba u-Yehova uya kubuya abe nemihlali ngawe, kulunge, njengoko waba nemihlali ngoyihlo:
10 Xa utê walipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wakô, ukuba uyigcine imitêtô yakê nemimiselo yakê ebâliweyo encwadini yalomyalelo; xa utê wabuyela ku-Yehova u-Tîxo wakô ngentliziyo yakô yonke nangompêfumlo wakô wonke.

11 Ngokuba lomtêtô ndikuwiselayo namhla awunto ikunqabeleyo, awukude nokuba kude.
12 Awusezulwini ukuba utî, Ngubanina oya kusinyukela ezulwini, asitâbatêle siwuve, siwenze?
13 Awupêsheya kolwandle, ukuba utî, Ngubanina oya kusiwelela ulwandle, asitâbatêle, siwuve, siwenze?
14 Ngokuba ilizwi-eli lisondele kunene kuwe, emlonyeni wakô nasentliziyweni yakô, ukuba ulenze.
15 Kângela, ndibekê pâmbî kwakô namhla ubomi nokulunga, ukufa nobubi;
16 Ekubeni ndikuwisela umtêtô namhla, ukuba umtânde u-Yehova u-Tîxo wakô, uhambê ngendlela zakê, ugcine imitêtô yakê, nemimiselo yakê, namasiko akê, upîle, wande, akusikelele u-Yehova u-Tîxo wakô kwelozwe ungena kulo ukuba ulime.
17 Ke ukuba itê yajika intliziyo yakô, akweva, wawexulwa, waqubuda tîxweni bambî, wabakônza:
18 Ndiyanixelela namhla, ukuba nobûbâ kanye, anikolulelwa mini *zenu* kuwo umhlaba, eniwela i-Yordan nisiya kuwuma.
19 Ndinqînisisa izulu nomhlaba namhla ngani, ndibeke pâmbî kwenu ubomi nokufa, intsikelelo nesiqalekiso; nyula-ke ubomi, ukuze upîle, wena nembêwu yakô,
20 Ukuba umtânde u-Yehova u-Tîxo wakô, ulipûlapûle izwi lakê, unamatêle kuye: ngokuba bubomi bakô, nokolulwa kwemini zakô; ukuze uhlale emhlabeni lowo awafunga u-Yehova koyihlo o-Abraham no-Isake no-Yakobi, ukuba wobanika.

31 Waya u-Moses, wawatêtâ lamazwi kuma-Sirayeli onke,
2 Watî kuwo, Ndiminyaka ilikûlu elinamanci mabini namhla ndizelwe, andisenakô ukupûma nokungena; no-Yehova utê kum, Akusokuyiwela le-Yordan.
3 Ngu-Yehova u-Tîxo wakô owela pâmbî kwakô; wozitshabalalisa ezontlanga pâmbî kwakô, uzitîmbê; ngu-Yoshuwa owela pâmbî kwakô, njengoko watêtâyo u-Yehova;
4 Enze u-Yehova kuzo, njengoko wenzayo ku-Sihon naku-Ogi okumkani ba-

Digitized by Google

ma-Amori, nakwilizwe labo, awabatshabalalisayo;

5 Azinikele kuni u-Yehova, nenze kuzo ngokomtêtô wonke endiniwiseleyo.

6 Yomelelani nikâlipe, musan' ukoyika, musan' ukungcangcazela ebusweni bazo; ngokuba ngu-Yehova u-Tîxo wakô ohambâ nawe; akayi kukuyekela, akayi kukushiya.

7 U-Moses wambiza-ke u-Yoshuwa, watî kuye emehlweni ama-Sirayeli onke, Yomelela ukâlipe; kuba wena uya kungena nababantu kwelozwe wafungayo koyise u-Yehova, ukuba wobanika; wena uya kubadlisa ilifa.

8 Ngu-Yehova ohambâ pâmbî kwakô; yena uya kuba nawe; akayi kukuyekela, akayi kukushiya; uz'ungoyiki, ungaqîpuki mbilini.

9 Wawubâla u-Moses lomyalelo, wawunika abenzeleleli, onyana baka-Levi, ababetwâla unmkômbê womnqopîso ka-Yehova, namadoda amakûlu akwa-Sirayeli onke.

10 U-Moses wabawisela umtêtô, esitî, Ekupêleni kweminyaka esixênxe, ngexesha elimisiweyo, lomnyaka woyekelelo, emtêndelekweni weminquba,

11 Ekuzeni kubonakala kwama-Sirayeli onke pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakô, kulondawo aya kuyinyula, wowulesa lomyalelo pâmbî kwama-Sirayeli onke ezindlebeni zawo;

12 Babizelwe ndawonye abantu, amadoda, nabafazi, nabantwana, nompâmbûkeli wakô osemasangweni akô, ukuze beve, nokuze bafunde, bamoyike u-Yehova u-Tîxo wenu, bagcine ukuwenza onke amazwi alomyalelo;

13 Beve nonyana babo abangaziyo, bafunde ukumoyika u-Yehova u-Tîxo wenu yonke imihla, enidl'ubom ngayo kulomhlaba eniwela i-Yordan nisiya kuwuma.

14 Watî u-Yehova ku-Moses, Yabona, isondele imihla yakô yokuba ufe. Biza u-Yoshuwa, niye nime en-tenteni yokuhlangana, ndimyale. Baya o-Moses no-Yoshuwa, bema en-tenteni yokuhlangana.

15 Wabonakala u-Yehova en-Tenteni, emqulwini welifu. Wamana umi umqulu welifu pêzu komnyango wen-Tente.

16 Watî u-Yehova ku-Moses, Yabona, uya kulala noyihlo; basuke ababantu, bahenyuze ngokulandela tîxo bambî belozwe bangena kulo pâkatî kwalo, bandishiye, bawapûle umnqopîso wam endiwenze nabo;

17 Uvutê umsindo wam kubo ngalomini, ndibashiye, ndibusitêlise ubuso bam kubo, babe ngabokudliwa kutî-tu, bafunyanwe bububi obuninzi nazimbândezelo; batî ngalomini, Akungenxa yokuba engekô-na u-Tîxo wam pâkatî kwam lento ndifunyenwe bobububi?

18 Ke mna ndiya kubusitêlisa kupêle ubuso bam ngalomini ngenxa yobubi bonke ababenzileyo; ngokuba bejike baya tîxweni bambî.

19 Kaloku-ke zibâleleni lengoma, niyifundise onyana baka-Sirayeli, niyibeke emlonyeni wabo, ukuze lengoma ibe linqîna lam konyana baka-Sirayeli.

20 Kuba ndiya kubangenisa kuwo umhlaba, endafunga koyise ngawo, onamasi nobusi, badle bahlutê, batyebe, bajike baye tîxweni bambî, babakônze, bandigibe, bawapûle umnqopîso wam.

21 Kotî, xa batê bafunyanwa bububi obuninzi nazimbândezelo, isuke lengoma, ipêndule pâmbî kwabo ibe linqîna: kuba ayisayi kulityalwa imke emlonyeni wembêwu yabo; kuba ndiyakwazi ukucamanga kwabo abakwenzayo namhla, ndingekabangenisi-nje kwelozwe ndifunge ngalo.

22 Wayibâla u-Moses longoma ngalomini, wayifundisa onyana baka-Sirayeli.

23 Wammisela u-Yoshuwa unyana ka-Nun umtêtô; watî, Yomelela ukâlipe, kuba uya kubangenisa wena onyana baka-Sirayeli kwelozwe ndabafungela lona; ndiya kuba nawe mna.

24 Kwatî, akugqiba u-Moses ukuwabâla amazwi alomyalelo encwadini ada agqitywa,

25 U-Moses wabawisela umtêtô aba-Levi, ababetwâla umkômbê womnqopîso ka-Yehova, esitî,

26 Yitâbatêni incwadi yalomyalelo, niyibeke ecaleni lomkômbê womnqopîso ka-Yehova u-Tîxo wenu, ibe linqîna kôna kuni.

27 Ngokuba ndiyazazi inkani zakô, nentamo yakô elukûni. Yabonani, ndisadla ubomi-nje ndisenani, namana nipîkisana no-Yehova; kobeka pîna emva kokufa kwam?

Digitized by Google

28 Bizelani ndawonye onke amadoda amakûlu ezizwe zenu, nababâli benu beze kum, ndiwatêtê lamazwi ezindlebeni zabo, ndinqînisise izulu nomhlaba ngabo.
29 Kuba ndiyazi, ukuba emva kokufa kwam niya kuzonakalisa kanye, nityeke endleleni endiniwisele umtêtô ngayo, nihlelwe bububi ekupêleni kwemihla; ngokuba niya kwenza ububi pâmbî ko-Yehova, ukuba nimqumbîse ngomsebenzi wezandla zenu.

30 Wawatêtâ-ke u-Moses ezindlebeni zebandla lonke lakwa-Sirayeli amazwi alengoma ada agqitywa:

32 Bekani indlebe, mazulu, nditêtê;
Uve umhlaba amazwi omlomo wam.
2 Icâpaze njengemvula imfundiso yam,
Ihle njengombetê intêtô yam,
Njengomkûmezelo pêzu kohlaza,
Njengamatôntsi pêzu kotyani.
3 Ngokuba ndiya kuvakalisa igama lika-Yehova:
Mnikeni ubukûlu u-Tîxo wetû!
4 Ngu-Liwa, ugqibelele umsebenzi wakê;
Ngokuba zonke indlela zakê zisesikweni;
Ngu-Tîxo wentembêko, tu ubugqwetâ;
Lilungisa, utê-tye yena.
5 Isizukulwana esijibilizayo esibijeleneyo,—
Sizonakalisile kuye—singenyana bakê, sisipâko sabo.
6 Nenje nje-na ukumpâtâ u-Yehova?
Bantundini banobudenge, bange nabulumko,
Akanguye-na uyihlo okudalileyo,
Okwenzileyo, okusekileyo?
7 Kûmbûla imini zasepâkadeni,
Qonda iminyaka yezizukulwana ngezizukulwana;
Buza koyihlo, bakubâlisele,
Kumadoda amakûlu akowenu, akuxelele.
8 Ekuzabeleni k-Osenyangweni intlanga ilifa,
Ekubahlulahluleni kwakê onyana baka-Adam
Wayimisa imida yezizwe
Ngokwenani lonyana baka-Sirayeli.
9 Kuba isabelo sika-Yehova ngabantu bakê,
U-Yakobi licandelo lelifa lakê.
10 Wamfumana ezweni eliyintlango,
Enyanyeni, enkangala ebômbôlozayo;
Wamwola, wamondla,
Wamlondoloza njengokôzo lweliso lakê.
11 Njengexâlanga lisusela,
Lindanda pêzu kwamatôle alo,
Wawolula amapîko akê, wamtâbatâ,
Wamtwala ngamapîko akê.
12 Wamkôkela u-Yehova yedwa,
Enge natîxo wolunye uhlanga naye.
13 Wamkwêlisa emimangweni yomhlaba;
Wadla-ke iziveliso zamasimi;
Wammunyisa ubusi engxondofeni,
Ne-oli eweni leqwîtâ.
14 Amasi enkomo, nobisi lwempahl' emfutshane
Kunye namanqatâ emvana;
Nenkunzi zezimvu, amatakane ase-Bashan, ne-bôkwe,
Kunye namanqatâ ezintso zenqôlowa,
Negazi le-diliya walisela liyi-wayini enegwebu.
15 Watyeba-ke u-Yeshurun, wakâba;
Watyeba wena, wanesibili, watîfitî;
Wamlahla u-Tîxo owamenzayo,
Walenza isidenge i-Liwa lokusindiswa kwakê.
16 Bamkwêletisa ngotîxo basemzini,
Bamqumbîsa ngamasikizi.
17 Babingelela kwi-demon ezinge-Tîxo,
Kotîxo abangabaziyo,
Kwabatsha abasand' ukufika,
Ababengabahlonele oyihlo.
18 I-Liwa elakuzalayo walihilizela,
Wamlibala u-Tîxo owaba nenimbâ ngawe.
19 Wabona u-Yehova, wabalahla,
Ngokuqunjiswa ngonyana bakê nentombî zakê.
20 Watî, Ndiya kubusitêlisa ubuso bam kubo,
Ndibone ukuba koba yinto-nina ukupêla kwabo;
Ngokuba basizukulwana sempenduka,
Ngonyana abange nantembêko.
21 Bona bandikweletisa ngonge-Tîxo,

Digitized by Google

Bandiqumbîsa ngamampunge abo.
Nam ndiya kubakŵeletisa ngabange bantu,
Ndibaqumbîse ngohlanga olunobudenge.
22 Ngokuba kupênjwe umlilo ematâtêni am,
Utsha ude use ehadesi[1] esezantsi,
Uwudle umhlaba nendyebo zawo,
Uvutîse iziseko zentaba.
23 Ndiya kufumbâ ububi pêzu kwabo,
Intolo zam ndizipêlelisele kubo.
24 Omakânywa kulambâ, omadliwa kufala
Nembûbiso eŕaŕa.
Ndiya kubatûmela izinyo lamaŕamncwa,
Nobuhlungu bezinambûzane zotûli.
25 Ngapândle kopânga iŕele,
Ezingontsini *kupânge* izitûso,
Kufane indodana nentombî,
Kufane owanyayo nengwevu.
26 Ngendiba nditî, Ndiya kubapêpêtâ,
Ndisipêlise isikûmbûzo sabo ebantwini;
27 Koko ndinxungupêleyo kukuqunjiswa lutshaba,
Hleze ababandezeli babo bangaqondi,
Hleze batî, Kupâkâme isandla setû,
Akwenziwe ngu-Yehova oku konke.
28 Ngokuba luhlanga olupêlelwe ngamacebo,
Tu ingqondo kubo.
29 Ababa bebelumkile, ngebekuqiqa oku,
Basiqonde isipêlo sabo.
30 Yo! ebengayi kutî-na emnye kubo asukele iwaka,
Bebabini bagxotê amawaka alishumi:
Ukuba belingatêngisanga ngabo i-Liwa labo,
Wabanikela u-Yehova!
31 Kuba alinjenge-Liwa letû iliwa lazo,
Intshaba zetû zingabagwebi boko.
32 Kuba um-diliya wabo ngowom-diliya wase-Sodom,
Ngowamasimi ase-Gomora.
I-diliya zabo zi-diliya ezinobuhlungu,
Izihloko zazo zinobuŕaŕa.
33 Buhlungu benyushu i-wayini yabo,
Yinyongo enobujoŕa yamaŕambâ.
34 Oku akubekwe kum-na,

[1] Intlalo yabafileyo.

Kwavingcelwa evimbêni bam?
35 Yeyam impindezelo nembuyekezo
Ngexesha lokutyibilika konyawo lwabo;
Ngokuba usondele umhla wokusindeka kwabo,
Kuyakâuleza abakumiselweyo.
36 Ngokuba uya kugweba pâkatî kwabantu bakê u-Yehova,
Azohlwaye ngenxa yabakônzi bakê,
Xa abonayo ukuba etîle amandla,
Upêlile ovalelweyo novulelweyo.
37 Wotî-ke, Bapîna kaloku otîxo babo.
Iliwa ababezimela ngalo?
38 Ababesidla amanqatâ emibingelelo yabo,
Ababesela i-wayini yeminikelo yabo
etûlulwayo?
Mabasuke banincede,
Kubekô isitê pêzu kwenu.
39 Bonani ngoku, ukuba mna ndinguye;
Tu tîxo unam.
Ndiyabulala, ndidlise ubomi;
Ndiyapâlusa, ndipîlise mna;
Tu uhlangulayo esandleni sam.
40 Ngokuba ndisipâkâmisela ezulwini isandla sam,
Nditî, Ndihleli-nje mna ngonapâkade,
41 Ukuba nditê ndalilola iŕele lam elingumbâne,
Sabambêlela elugwebeni isandla sam:
Ndoyibuyisela impindezelo kubabandezeli bam,
Ndibuyekeze kubatîyi bam.
42 Ndozinxilisa intolo zam ngegazi,
Iŕele lam liyidle inyama,
Ngegazi labahlatyiweyo nabatînjiweyo,
Ngentloko enesihlwitâ yotshaba.
43 Memelelani, zintlanga, ngenxa yabantu bakê,
Ngokuba elipîndezelela igazi labakônzi bakê,
Abuyisele impindezelo kubabandezeli bakê,
Awucamagushele-ke umhlaba wakê, abantu bakê.

44 Weza-ke u-Moses, wawatêtâ onke amazwi alengoma ezindlebeni zabantu, yena no-Yoshuwa unyana ka-Nun.
45 Wagqiba u-Moses ukuwatêtâ onke lamazwi kuma-Siraveli onke,
46 Watî kuwo, Wabekeleni intliziyo ze-

Digitized by Google

nu onke amazwi endiwanqînayo kuni namhla, eniya kuwamisela konyana benu, ukuba bagcine ukuwenza onke amazwi alomyalelo.

47 Ngokuba asilizwi lilambâtâyo kuni eli, kuba bubomi benu; ngelilizwi niya kuyolula imihla kulomhlaba niyiwelayo i-Yordan, nisiya kuwuhlutâ.

48 Watêtâ u-Yehova ku-Moses kwa ngalomini, esitî,

49 Nyuka uye kulentaba yase-Abarim, entabeni ye-Nebo, esezweni lakwa-Mowabi, elikângelene ne-Yeriko, ukângele ilizwe lakwa-Kanan, endilinika onyana baka-Sirayeli ukuba libe lelabo;

50 Ufele entabeni oyinyukayo, uhlanganiselwe kubantu bakowenu, njengokuba wafayo umkûluwa wakô u-Aron entabeni ye-Hore, wahlanganiselwa kubantu bakowabo;

51 Ngenxa yokuba namenezayo kum pâkatî konyana baka-Sirayeli emanzini ase-Meriba yase-Kadeshe, entlango ye-Tsin, ngenxa yokuba ningandingcwalisanga pâkatî konyana baka-Sirayeli.

52 Ngokuba wolibona ilizwe lipâmbîli, kodwa ungangeni kulo ilizwe endilinika onyana baka-Sirayeli.

33 Yiyo le intsikelelo, awabasikelela ngayo u-Moses indoda yakwa-Tîxo onyana baka-Sirayeli, pâmbî kokufa kwakê, watî,

2 U-Yehova wavela e-Sinayi,
Wapûma kwa-Sehire pêzu kwabo;
Wabengezela esezintabeni ze-Paran,
Weza epûma kwingcwele ezimawaka alishumi,
Ekunene kwakê ikubinza komlilo kubo.

3 Inene, uyazitânda izizwe.
Bonke abangcwele bakê basesandleni sakô,
Bahlala ezinyaweni zakô,
Besuke ngamazwi akô.

4 U-Moses wasiwisela umyalelo,
Ilifa ke-elo lebandla lakwa-Yakobi.

5 Waba ngukumkani kwa-Yeshurun,
Ekuzihlanganiseni intloko zabantu,
Izizwe zakwa-Sirayeli zindawo-nye.

6 U-Ruben makadle ubomi; angafi,
Angabi mbalwa amadoda akê.

7 Le yintsikelelo ka-Yuda, watî,
Yiva, Yehova, izwi lika-Yuda,
Umngenise kubantu bakowabo;
Uyabalwela ngezandla zakê;
Umncede wena kubabandezeli bakê.

8 Watî ngo-Levi,
I-Tumim yakô ne-Urim yakô yeyomntu wakô wenceba,
Owamlingayo e-Masa,
Wabambâna naye emanzini ase-Meriba.

9 Lowo utî kuyise nakunina, Andikuboni;
Akatê-ni nabazalwana bakê,
Akabazi nonyana bakê;
Ngokuba ugcine intetô yakô,
Wabambâ umnqopîso wakô.

10 Baya kumyala u-Yakobi ngamasiko akô,
Bamyale u-Sirayeli ngomyalelo wakô,
Babeke isiqûmiso ezimpumlweni zakô,
Namadini apêleleyo esibingelelweni sakô.

11 Sikelela, Yehova, amandla akê,
Ukôleke kuwe umsebenzi wezandla zakê.
Bapâluse emanqeni abavukelana nawe,
Nabamtîyileyo bangabi nakuvuka.

12 Ngo-Benyamin watî,
Intânda ka-Yehova iya kuhlala kuye ikôlosile;
Uyikusela imini yonke,
Ihlale pâkatî kwamagxa akê.

13 Ngo-Yosefu watî,
Malisikelelwe ngu-Yehova ilizwe lakê,
Ngezinto ezinconywayo zezulu,
Ngombetê nangamanzi enzonzobila elele ezantsi,

14 Nangezinconywayo eziveliswa lilanga,
Nangezinconywayo ezihlunyiswa zinyanga,

15 Nangencopo zentaba zamandulo,
Nangezinconywayo zenduli ezingunapâkade,

16 Nangezinconywayo zomhlaba nenzaliseko yawo;
Nekôlo lowahlala etŷolweni

Digitized by Google

Malifike entloko ka-Yosefu,
Naselukakayini lwalowo ubalulekileyo kubazalwana bakê.
17 Eyamazibulo inkunzi yakê, hayi ubungangamsha bayo!
Zimpondo zenqu impondo zayo;
Ngazo ihlaba izizwe, ngaxa-nye izipêlo zomhlaba.
Ngamawaka alishumi akwa-Efrayimke lawo,
Ngamawaka akwa-Manase lawo.

18 Ngo-Zebulon watî,
Vuya, Zebulon, ngokupûma kwakô;
Vuya, Isakare, ngen-tente zakô.
19 Baya kumema izizwe zize entabeni,
Babingelele kôna imibingelelo yobulungisa;
Ngokuba besanya ubutyebi belwandle
Nezinto eziselelwe entlabatini.

20 Ngo-Gadi watî,
Makabongwe owandisa u-Gadi;
Ubutûma njengengonyamakazi,
Adlavule umkôno, ewe nokakayi.
21 Wazibonela isahlulo esiyingqalo;
ngokuba besibekwe kôna isabelo sommisi-mtêtô.
Weza kwintloko zabantu,
Wenza ubulungisa buka-Yehova,
Namasiko akê ndawo-nye nama-Sirayeli.

22 Watî ngo-Dan,
U-Dan litôle lengonyama,
Usuka umtsi e-Bashan.

23 Ngo-Nafetali watî,
Nafetali, ukôlisiweyo kanye,
Uzelevo yintsikelelo ka-Yehova,
Woluhlutâ ulwandle nom-Zantsi.

24 Ngo-Ashere watî,
Usikelelwe ngapêzu konyana u-Ashere;
Makabe likôlo pâkatî kwabazalwana bakô,
Atî-nxu unyawo lwakê e-olini.
25 Imivalo yakô yoba sinyiti nobêdu,
Kube ngangemini zakô ukonwaba kwakô.
26 Akukô unjengo-Tixo, Yeshurun,
Ulokwêla ezulwini eluncedo lwakô,
Ulokwêla esibâkabâkeni, enobungangamsha bakê.

27 Likâya u-Tîxo wamandulo,
Ngapântsi zingalo ezingunapâkade;
Ugxotâ utshaba ebusweni bakô,
Utî, Tshabalalisa!
28 U-Sirayeli uhlala ekôlosile,
Uwodwa umtômbô ka-Yakobi,
Usinga ezweni lenqôlowa ne-wayini entsha;
Inene amazulu alo aqôqôza umbetê.
29 Unoyolo, Sirayeli,
Ngubanina onjengawe, bantu basindiswe ngu-Yehova,
Ikâka loncedo lwakô,
Irele lobungangamsha bakô.
Ziya kuhanahanisa kuwe intshaba zakô,
Unyatele-ke wena emimangweni yazo.

34 Wenyuka-ke u-Moses, esuka ezinqantosini zakwa-Mowabi, waya entabeni ye-Nebo, encotsheni ye-Pisga, ekângelene ne-Yeriko. U-Yehova wambonisa lonke ilizwe lase Giliyadi, wasa kwa-Dan,
2 Nelakwa-Nafetali lonke, nelizwe lakwa-Efrayim no-Manase, nelizwe lonke lakwa-Yuda, wasa elwandle lwasentshonalanga;
3 Nelase-Zantsi, nommandla wesihlambô se-Yeriko, umzi wamasundu, wasa e-Tsohare.
4 Watî u-Yehova kuye, Lilo eli ilizwe endafunga ngalo ko-Abraham no-Isake no-Yakobi, ndisitî, Ndiya kulinika imbêwu yakô; ndikukângelisile ngamehlo, ke akuyikuwela uye kulo.
5 Wafela kôna u-Moses, umkônzi ka-Yehova, ezweni lakwa-Mowabi, ngokomlomo ka-Yehova.
6 Wamncwabela emfuleni, ezweni lakwa-Mowabi, malungana ne-Bete-pehore; akukô bani ulaziyo incwaba lakê unanamhla.
7 U-Moses ebe minyaka ilikûlu elinamanci mabini ezelwe, mini wafa; linge nalufatyazo iliso lakê, esomelele nokomelela.
8 Onyana baka-Sirayeli bamlilela u-Moses ezinqantosini zakwa-Mowabi imihla emashumi matâtû; yapêla-ke imihla yokumlilela nokumenzela isijwili u-Moses.
9 Waza u-Yoshuwa unyana ka-Nun wazala ngumoya wobulumko; ngokuba

Digitized by Google

u-Moses wayecinezele ngezandla zakê pêzu kwakê. Bampûlapûla-ke onyana baka-Sirayeli, benza njengoko u-Moses wamwisela umtêtô ngako.

10 Akubanga savela kwa-Sirayeli mprofeti unjengo-Moses, awatî u-Yehova wamazi, bakângelana ebusweni;

11 Ngemiqondiso yonke, nezimanga, awamtûmayo u-Yehova ukuba azenze ezweni lase-Yiputa ku-Faro, nakubakônzi bakê bonke, nakwilizwe lake lonke.

12 Nangaso sonke isandla esitê-nqi, nangokoyikeka konke okukûlu, awakwenzayo u-Moses emehlweni ama-Sirayeli onke.

INCWADI KA-YOSHUWA.

ISIQENDU I.

KWATÎ-KE emva kokufa kuka-Moses isicaka sika-Yehova, watêtâ u-Yehova ku-Yoshuwa unyana ka-Nun, umlungiseleli ka-Moses, watî,

2 U-Moses isicaka sam ufile; suka kengoko, uyiwele i-Yordan-le, wena nababantu bonke, niye kwelozwe ndibanika lona onyana baka-Sirayeli.

3 Indawo zonke eziya kunyatêlwa yintende yonyawo lwenu, ndininikile, njengoko ndatêtâyo ku-Moses.

4 Kutâbatêle entlango nakwi-Lebanonle, kuse emlanjeni omkûlu, emlanjeni ongum-Efrati, lonke ilizwe lama-Heti, kuse elwandle olukûlu ngasekutshoneni kwelanga, woba ngumda wenu.

5 Akuyi kuma mntu pâmbî kwakô yonke imihla yokudla kwakô ubomi; njengoko ndandino-Moses, ndoba nawe; andiyi kukuyekela, andiyi kukushiya.

6 Yomelela ukâlipe; ngokuba wena uya kulabela bona ababantu elolizwe ndabafungela lona oyise, ukuba ndiya kubanika.

7 Kodwa-ke yomelela ukâlipe kunene, ukuze ugcine ukwenza ngokomyalelo wonke, awakuwisela wona u-Moses isicaka sam.. Mus' ukutyekela ekunene nasekôhlo kuwo, ukuze wenze ngengqiqo apô sukuba usiya kôna.

8 Iz'ingesuki incwadi yalomyalelo emlonyeni wakô; uz'ucinge ngayo imini nobusuku, ukuze ugcine ukwenze konke okubâliweyo kuyo; ngokuba woba nokupûmelela ngendlela yakô oko, ukwenze ngengqiqo oko.

9 Yabona, ndikuwisele umtêtô wokuba womelele ukâlipe. Mus' ukunkwantya, ungaqîpuk' umbilini; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wakô unawe, apô sukuba usiya kôna.

10 Waza u-Yoshuwa wabawisela umtêtô ababâli babantu, watî,

11 Candani pâkatî kweminquba, nibawisele umtêtô abantu, nitî, Zilungiseleni umpâko, ngokuba kusele imihla emitâtû, ukuze niyiwele i-Yordan-le, ningêne nilihlutê ilizwe elo aninikayo u-Yehova u-Tîxo wenu ukuba limiwe nini.

12 Nakuma-Ruben, nakuma-Gadi, nakwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase watî u-Yoshuwa,

13 Likûmbûleni ilizwi awaniwisela umtêtô ngalo u-Moses isicaka sika-Yehova, esitî, U-Yehova u-Tîxo wenu unipûmzile, waninika elilizwe.

14 Abafazi benu, nabantwana benu, nemfuyo yenu yohlala kwelilizwe aninike lona u-Moses nganeno kwe-Yordan; niwele-ke nina nixôbile pâmbî kwabazalwana benu, nonke nina magoña anobuñoti, nibancede,

15 Ade u-Yehova abapûmze abazalwana benu njengani, balihlutê nabo elolizwe abanikayo u-Yehova u-Tîxo wenu, nibuyele-ke ezweni enilihlutîleyo, nime kulo elo waninikayo u-Moses isicaka sika-Yehova nganeno kwe-Yordan, ngasempumalanga.

16 Bampêndula-ke u-Yoshuwa, besitî, Izinto zonke osiwisele umtêtô ngazo sozenza, nalapô sukuba usitûme kôna soya.

17 Ngako konke esampûlapûla ngako u-Moses, siya kwenje njalo ukukupûlapûla nawe; kodwa-ke u-Yehova u-Tîxo wa-

Digitized by Google

kô unga angaba nawe, njengokuba waye no-Moses.

18 Bonke abantu abapîkisa umlomo wakô, bangawapûlapûli amazwi akô entweni yonke, osiwisela umtêtô ngayo mababulawe; kodwa-ke yomelela ukâlipe wena.

2 U-Yoshuwa unyana ka-Nun wesusa amadoda amabini azintlola, esitî ngasese, Hambâni niye kulikângela ilizwe ne-Yeriko. Ahambâ-ke aya endlwini yenkazana elihenyukazi, egama lingu-Rahabi, alala kôna.

2 Kwatîwa kukumkani wase-Yeriko, Yabona, kufike apâ ebusuku-nje amadoda avela konyana baka-Sirayeli, ezē kuhlola elilizwe.

3 Watûmela ukumkani wase-Yeriko ku-Rahabi, esitî, Wakûpê amadoda afikileyo kuwe, angenileyo endlwini yakô; kuba aze kulihlola lonke ilizwe.

4 Yawatâbatâ lonkazana lomadoda omabini, yawafihla; yatî, Okunene afikile kum amadoda-lawo, andazi ukuba avele ngapîna;

5 Kwatî, ukuvalwa kwesango, kwakuba mnyana; amadoda-lawo apûma; andazi ukuba aye ngapîna amadoda lawo; wasukeleni kamsinya, ngokuba nowafumana.

6 Ke yona yayiwanyusele pêzu kwendlu, yawaqusheka ezindizeni ze-flakisi, eyabizicwangcise pêzu kwendlu.

7 Amadoda awasukela ngendlela yase-Yordan eya emazibukweni; lavalwa isango emveni kokuba bepûmile abo basukelayo.

8 Engekalali, yenyuka yona yaya kuwo pêzu kwendlu;

9 Yati kulomadoda, Ndiyazi ukuba u-Yehova uninikile elilizwe, nokuba siwelwe luqîpûkô-mbilini ngani, nokuba batê amandla bonke abemi belilizwe ebusweni benu.

10 Kuba sivile ukuba u-Yehova wawomisa amanzi o-Lwandle olubomvu pâmbî kwenu ekupûmeni kwenu e-Yiputa, noko nakwenzayo kokumkani bobabini bama-Amori, ababe pêsheya kwe-Yordan, o-Sihon no-Ogi, enabasingela pantsi.

11 Sivile-ke, zanyibilika intliziyo zetû, akwabi sabakô kuqina kwamxêlo mntwini ngenxa yenu; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wenu nguye u-Tîxo ezulwini pêzulu, nasemhlabeni pântsi apâ.

12 Kaloku kânindifungele u-Yehova, nitî, kuba ndinenzele inceba, niyenzele inceba nani indlu kabawo, nindinike umqondiso wenyaniso,

13 Nimsindise ubawo, noma, nabanakwetû, nodade wetû, nento zonke abanazo, niyihlangule imipêfumlo yetû ekufeni.

14 Atî kuyo amadoda lawo, Umpêfumlo wetû wofa esikûndleni sowenu, ukuba aniyixelanga lento yetû; kotî ekunikweni kwetû elilizwe ngu-Yehova, sikwenzele inceba nenyaniso.

15 Yawahlisa-ke ngentsontelo nge-festile; kuba indlu yayo yabi seludongeni lomzi, yayihleli eludongeni.

16 Yatî kuwo, Yiyani entabeni, hleze baqubisane nani abo banisukelayo; zimelani kôna intsuku zibe ntatû, bade babuye abo banisukeleyo, nandule-ke ukuhambâ indlela yenu.

17 Atî kuyo amadoda lawo, Soba msulwa kwesisifungo sakô usifungise sona.

18 Uyabona, sakufika kwelilizwe, wobopâ intsontelo yosinga-olu lubomvu e-festileni-le usihlise ngayo; uhlanganisele kuwe endlwini yakô uyihlo, nonyoko, nabanakwenu, nendlu yonke kayihlo.

19 Kotî, bonke abasukuba bepûma emnyango endlwini yakô besiya pândle, igazi labo libe sentloko yabo, sibe msulwa tîna; ke bonke abasukuba bekuwe endlwini, igazi labo loba sentloko yetu, ukuba kutê kwasiwa isandla kubo.

20 Ukuba-ke utê wayixela lento yetû: soba msulwa esifungweni sakô osifungise sona.

21 Yatî-ke, Makube njengamazwi enu kube njalo. Yawandulula, ahambâ-ke. Yayibopâ intsontelo ebomvu e-festileni.

22 Ahambâ-ke aya entabeni, ahlala kôna intsuku zantatû, bada babuya abo bawasukelayo; bafuna abo bawasukelayo endleleni yonke, abawafumana.

23 Abuya amadoda omabini, ehla entabeni, awela, afika ku-Yoshuwa unyana ka-Nun, ambikela zonke izinto afumenene nazo,

24 Atî ku-Yoshuwa, U-Yehova ulinikele esandleni setû lonke ilizwe-elo; kananjalo batê amandla bonke abemi belizwe pâmbi kwetû.

3 Wavuka u-Yoshuwa kusasa ngengomso. Banduluka e-Shitim, bafika e-Yordan, yena nonyana bonke bama-Sirayeli; balalisa kôna bengekaweli.

Digitized by Google

2 Kwatí, ekupêleni kwemihla emitâtû, bacanda ababâli pâkatí kweminquba;
3 Babawisela abantu umtêtô, besití, Xa nitê nawubona umkômbê womnqopíso ka-Yehova u-Tíxo wenu, nabenzeleleli [1] abangaba-Levi bewutŵele, nonduluka nani endaweni yenu, niwulandele,
4 Kodwa makubekô itûba pâkatí kwenu nawo, elingatí ngokulinganisa libe ngamawaka amabini e-kubite. Ize ningasondeli kuwo, ukuze niyazi indlela enohambâ ngayo; kuba anihambânga ngalendlela ngapâmbîli.
5 Watí u-Yoshuwa ebantwini, Zingcwaliseni; ngokuba ngengomso u-Yehova uya kwenza imisebenzi ebalulekileyo pâkatí kwenu.
6 Watí u-Yoshuwa kubenzelelcli, Tŵalani umkômbê womnqopiso, niwele pâmbí kwabantu. Bawutŵala-ke umkômbê womnqopíso, bahambâ pâmbí kwabantu.
7 Watí u-Yehova ku-Yoshuwa, Namhlanje ndiya kuqala ukukwenza mkulu emehlweni ama-Sirayeli onke, ukuze azi ukuba ndiya kuba nawe, njengokuba bendino-Moses.
8 Uz'ubawisele wena umtêtô abenzeleleli abatŵele umkômbê womnqopíso, utí, Xa nitê nafika elunxwemeni lwamanzi ase-Yordan, zenime e-Yordan.

9 Watí u-Yoshuwa konyana baka-Sirayeli, Sondelani apâ, nive amazwi ka-Yehova u-Tíxo wenu.
10 Watí-ke u-Yoshuwa, Niya kwazi ngalento ukuba u-Tíxo opîlileyo upâkatí kwenu: uya kuwagqogqa kupêle pâmbí kwenu ama-Kanan, nama-Heti, nama-Hivi, nama-Perizi, nama-Girgashi, nama-Amori, nama-Yebusi.
11 Nango umkômbê womnqopíso we-Nkosi yomhlaba wonke ungena pâmbí kwenu e-Yordan.
12 Zitâbatêleni ngoko amadoda abe lishumi elinamabini kuzo izizwe zakwa-Sirayeli, indoda ibe-nye, indoda ibe-nye esizweni.
13 Kotí ke, xa zitê zamisa emanzini ase-Yordan intende zenyawo zabenzeleleli abatŵele umkômbê ka-Yehova, i-Nkosi yomhlaba wonke, esuke amanzi ase-Yordan, anqamke, amanzi avela ngasentla eme, abe mfumbâ nye.
14 Kwatí-ke, ekundulukeni kwabantu ezin-tenteni zabo, ukuba bawele i-Yordan, nabenzeleleli betŵele umkômbê womnqopíso pâmbí kwabantu;
15 Xa bafikayo e-Yordan abatŵele umkômbê, xa zitî-xumbû elunxwemeni lwamanzi inyawo zabenzeleleli abatŵele umkômbê,—i-Yordan izala ihambâ ngapândle kwendonga zayo zonke ngexesha loke lokuvuna,—
16 Esuka ema amanzi avela ngasentla, apâkama aba mfumbâ-nye, kude kakûlu e-Adam, umzi ongasecaleni le-Tsaretan: atí la ahlayo aya elwandle lwe-Araba, elwandle lwe-Tyuwa, anqamka apêla; bawela-ke abantu malunga ne-Yeriko.
17 Abenzeleleli abatŵele umkômbê womnqopíso ka-Yehova bema be-bûxe emhlabeni owomileyo pâkatí kwe-Yordan; awela onke ama-Sirayeli kowomileyo, sada sagqibela sonke isizwe ukuwela i-Yordan.

4 Kwatí-ke, xa sagqibelayo isizwe sonke ukuyiwela i-Yordan, watêtâ u-Yehova ku-Yoshuwa, esití,
2 Zitâbateleni ebantwini amadoda abelishumi elinamabini, indoda ibe-nye, indoda ibe-nye esizweni,
3 Niwawisele umtêtô, nití, Tâbatâni apâ pâkatí kwe-Yordan, kulendawo zimi kuyo inyawo zabenzeleleli, amatye okumiswa abe lishumi elinamabini niwele nawo, niwabeke kulondawo yokulalisa, niya kulalisa kuyo ngobubusuku.
4 Wawabiza-ke u-Yoshuwa amadoda alishumi elinamabini, abewamisile konyana baka-Sirayeli, indoda yanye, indoda yanye esizweni;
5 Watí u-Yoshuwa kuwo, Gqitâni pâmbí komkômbê ka-Yehova u-Tíxo wenu, niye e-Yordan pâkatí, nitâbatê iyileyo indoda ilitye libe linye ilibeke egxalabeni layo, ngokwenani lezizwe zonyana baka-Sirayeli;
6 Ukuze oku kube ngumqondiso pâkatí kwenu, xa batê banibuza onyana benu ngexesha elizayo, besití, Ayinto-nina lamatye kuni?
7 Notí kubo, Amanzi e-Yordan anqamka pâmbí komkômbê womnqopíso ka-Yehova, ekuweleni kwawo e-Yordan anqamka amanzi e-Yordan; lamatye oba sikûmbûzo konyana baka-Sirayeli kude kuse epâkadeni.
8 Benje njalo-ke onyana baka-Sirayeli, njengoko u-Yoshuwa wayebawisele umtê-

[1] Ababingeleli kwi-Test. entsha, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

tô: batâbatâ amatye alishumi elinamabini e-Yordan pâkatî, njengoko watétâyo u-Yehova ku-Yoshuwa, ngokwenani lezizwe zonyana baka-Sirayeli, bawela nawo, baya nawo kulondawo balalisa kuyo, bawabeka kôna.

9 U-Yoshuwa wawamisa amatye alishumi elinamabini e-Yordan pâkatî kulondawo zazimi kuyo inyawo zabenzeleleli, abatŵele umkômbe womnqopîso; akôna unanamhla.

10 Ke abenzeleleli abatŵele umkômbe bema e-Yordan pâkatî, ada agqitywa onke amazwi u-Yehova awamwisela umtétô u-Yoshuwa ukuba awatétê ebantwini, ngokwento yonke u-Moses abemwisele umtétô ngayo u-Yoshuwa, bakâuleza abantu, bawela.

11 Kwatî, bakugqiba bonke abantu ukuwela, wegqitâ umkômbê ka-Yehova nabenzeleleli pâmbî kwabantu.

12 Bawela onyana baka-Ruben, nonyana baka-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, bexôbile, pâmbî konyana baka-Sirayeli, njengoko watétâyo u-Moses kubo:

13 Ngatî babe ngamashumi amane amawaka axôbele ukupûma umkôsi, abawelayo pâmbî ko-Yehova, besiya emfazweni, ezinqantosini ze-Yeriko.

14 Ngalomhla u-Yehova wamenza mkûlu u-Yoshuwa emehlweni ama-Sirayeli onke; amoyika njengoko abemoyika u-Moses yonke imihla yobomi bakê.

15 Wati u-Yehova ku-Yoshuwa,

16 Bawisele umtéto abenzeleleli abatŵele umkômbê wesinqîno, ukuba benyuke bapûme e-Yordan.

17 U-Yoshuwa wabawisela-ke umtétô abenzeleleli, esitî, Nyukani nipûme e-Yordan.

18 Kwatî, ekunyukeni kwabenzeleleli abatŵele umkômbê womnqopîso ka-Yehova pâkatî kwe-Yordan, ekuncotûkeni kwentende zenyawo zabenzeleleli zafika kowomileyo, abuyela endaweni yawo amanzi ase-Yordan, ahambâ njengokwangapâmbili ngapândle kwendonga zayo zonke.

19 Abantu benyuka bapûma e-Yordan ngolweshumi enyangeni yokuqala, bamisa e-Giligali,[1] ngecala lasempumalanga e-Yeriko.

20 Ke lomatye alishumi elinamabini, abawatâbatâyo e-Yordan, u-Yoshuwa wawamisa e-Giligali.

21 Watî konyana baka-Sirayeli, Xa batê onyana benu babuza koyise ngexesha elizayo, besitî, Ayinto-nina lamatye?

22 Nobazisa onyana benu, nitî, Ama-Sirayeli ayiwela le-Yordan, ehambâ emhlabeni owomileyo:

23 Kuba oko u-Yehova u-Tîxo wenu wenza ukuba atshe amanzi ase-Yordan pâmbi kwenu, nada nawela; waxela oko u-Yehova u-Tîxo wenu wakwenzayo ku-Lwandle olubomvu, lona wenza ukuba lutshe pâmbî kwetu, sada sawela;

24 Ukuze zonke izizwe zomhlaba zisazi isandla sika-Yehova ukuba somelele; ukuze nimoyike u-Yehova u-Tîxo wenu imihla yonke.

5 Kwatî, xenikweni bevayo bonke okumkani bama-Amori, abebe pêsheya kwe-Yordan ngasentshonalanga, nokumkani bonke bama-Kanan, abebe ngaselwandle, ukuba u-Yehova wenze ukuba atshe amanzi e-Yordan pâmbî konyana baka-Sirayeli, bada bawela, zasuka zanyibilika intliziyo zabo, akwabi sabakô kuqina kwamxêlo kubo pâmbî konyana baka-Sirayeli.

2 Ngeloxesha u-Yehova watî ku-Yoshuwa, Zenzele intshengeca, upinde okwesibini ukubalûsa onyana baka-Sirayeli.

3 Wazenzela-ke u-Yoshuwa intshengeca, wabalûsa onyana baka-Sirayeli endulini yamajwabu.

4 Nasi isizatû sokuba u-Yoshuwa abalûse: bonke abantu ababepûme e-Yiputa bengamadoda, onke amadoda okulwa, afela entlango endleleni, ekupûmeni kwawo e-Yiputa.

5 Kuba babalukile bonke abantu abo bapûmayo; ke bonke abantu ababezalelwe entlango endleleni, ekupûmeni kwabo e-Yiputa, babengalukanga.

6 Kuba onyana baka-Sirayeli bahambâ iminyaka emashumi mane entlango, lwada lwapêla lonke uhlanga olungamadoda okulwa awapûmayo e-Yiputa, angalipûlapûlanga izwi lika-Yehova, awawafungelayo u-Yehova ukuba akayi kuwabonisa elozwe walifungela oyise ukuba uya kusinika ilizwe elinamasi nobusi.

7 Ke onyana babo, awabavelisayo esikûndleni sabo, wabalûsa bona u-Yoshuwa;

[1] Kwa-kuqengqa.

Digitized by Google

kuba bebengalukile, ngokuba babengabalûsanga endleleni.

8 Kwatî bakuba belugqibile ukulwalûsa lonke uhlanga, bahlala endaweni yabo eminqubeni bada bapôla.

9 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Namhla ingcikivo ye-Yiputa ndiyiqengqile yesuka kuni; kwatîwa igama lalondawo yi-Giligali unanamhla.

10 Bamisa in-tente onyana baka-Sirayeli e-Giligali, benza i-pasika ngosuku lweshumi elinesine lwenyanga, ngokuhlwa, ezinqantosini zase-Yeriko.

11 Badla iziveliso zelozwe ngengomso lepasika, izonka ezinge nagwele namakŵeba ngenqu yayo lomini.

12 Yapêla i-mana ngengomso emva kokudla kwabo iziveliso zelozwe; ababi saba na-mana onyana baka-Sirayeli; badla ungeniselo lwelozwe lakwa-Kanan ngalomnyaka.

13 Kwati, xa ebese-Yeriko, u-Yoshuwa wawapâkamisa amehlo akê, wakângela, wabona kumi indoda malunga naye, itêfutû ifele layo ngesandla; waya u-Yoshuwa kuyo, watî kuyo, Ungakutî, ungakwintshaba zetû kusinina?

14 Yatî, Hayi, ndingumtêtêli womkôsi ka-Yehova, ndifikile ngoku. Wawa u-Yoshuwa ngobuso bakê emhlabeni, waqububa, watî kuyo, Itêtâ nto-nina-ke inkosi yam kumkônzi wayo?

15 Watî umtêtêli womkôsi ka-Yehova ku-Yoshuwa, Kûlula imbâdada zakô ezinyaweni zakô; kuba londawo umi kuyo ingcwele. Wenje njalo u-Yoshuwa.

6 Ke i-Yeriko ibihleli ivaliwe ngenxa yonyana baka-Sirayeli; akwabikô upûmayo, akwabikô ungenayo.

2 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Kângela, ndiyinikele esandleni sakô i-Yeriko, nokumkani wayo, namagofa anoburoti.

3 Nowujikeleza umzi nonke, nina madoda okulwa, niwuzunguleze umzi isihlandlo sibe sinye; wenje njalo imihla emitândatû.

4 Ke isixênxe sabenzeleleli sopâtâ izigodlo ezisixênxe zokuhlab'umkôsi pâmbî komkômbê, niwujikeleze umzi ngomhla wesixênxe izihlandlo zibe sixênxe, abenzeleleli baqûpê ukuvutêla ngezigodlo.

5 Kotî-ke, ekoluleni ukuvutêla ngesigodlo sokuhlab'umkôsi, ekusiveni kwenu isandi sesigodlo, baduma ngokuduma okukûlu bonke abantu, luwe udonga lomzi lutî-bûma, benyuke-ke abantu, elowo atîngqo malunga naye.

6 U-Yoshuwa unyana ka-Nun wababiza abenzeleleli, watî kubo, Tŵalani umkômbê womnqopîso, abenzeleleli abasixênxe bapâtê izigodlo ezisixênxe zokuhlab'umkôsi pâmbî komkômbê ka-Yehova.

7 Batî ebantwini, Dlulani niwujikeleze umzi, abaxôbileyo bagqitêle pâmbî komkômbê ka-Yehova.

8 Kwatî, xenikweni u-Yoshuwa abetshilo ebantwini, abenzeleleli abasixênxe abapêtê izigodlo ezisixênxe zokuhlab'umkôsi pâmbî ko-Yehova, bagqitâ, baqupâ ukuvutêla ngezigodlo, umkômbe womnqopîso ka-Yehova ubalandela;

9 Abaxôbileyo bahambâ pâmbî kwabenzeleleli abaqupâyo ukuvutêla ngezigodlo; abasemva belandela umkômbê, kuhanjwa kuqutshwa ukuvutêla ngezigodlo.

10 U-Yoshuwa wabawisela umtêtô abantu, watî, Ize ningadumi, ningalivakalisi izwi lenu, kungapûmi nto emlonyeni wenu, kude kube yimini endoti kuni, Dumani; nidume-ke.

11 Umkômbe-ke ka-Yehova wawujikeleza umzi, wawuzunguleza isihlandlo sasinye; bangena eminqubeni, balala eminqubeni.

12 U-Yoshuwa wavuka kwakusasa ngengomso; bawutŵala abenzeleleli umkômbe ka-Yehova.

13 Abenzeleleli abasixênxe, abapêtê izigodlo ezisixênxe zokuhlab'umkôsi pâmbî komkômbê ka-Yehova, bamana behambâ bevutêla ngezigodlo bequpâ, nabaxôbileyo behambâ pâmbî kwabo, nabasemva belandela umkômbê ka-Yehova, kuhanjwa kuvutêlwa ngezigodlo kuqutshwa.

14 Bawujikeleza umzi ngomhla wesibini isihlandlo sasinye, babuyela eminqubeni; benje njalo-ke imihla yamitândatû.

15 Kwatî ngomhla wesixênxe, bavuka kusasa ngesifingo, bawujikeleza umzi kwangolohlobo izihlandlo zasixênxe; kungalomini yodwa abawujikelezayo umzi izihlandlo zasixênxe.

16 Kwatî ngesihlandlo sesixênxe, abenzeleleli ukuvutêla ngezigodlo baqupâ. Watî u-Yoshuwa ebantwini, Dumani; kuba u-Yehova uninikile lomzi.

Digitized by Google

17 Lomzi woba yinto esingelwe pântsi ku-Yehova, wona nento yonke ekuwo; kupêla ngu-Rahabi ihenyukazi yedwa owodla ubomi, yena nento yonke ekuye endlwini yakê; ngokuba wabazimeza abatûnywa esabatûmayo.

18 Kodwa-ke zigcineni entweni esingelwe pântsi, hleze nani nizisingele pântsi ngokutâbatâ entweni esingelwe pântsi, niwenze umzi wakwa-Sirayeli ube yinto esingelwe pântsi, niwuhlisele ishwangusha.

19 Ke yona yonke i-silvere, ne-golide, nempahla yobêdu neyesinyiti iyingcwele ku-Yehova; yongena ebuncwaneni buka-Yehova.

20 Baduma-ke abantu, ukuvutêla ngezigodlo bequpa; kwatî, bakusiva abantu isandi sesigodlo, baduma abantu ngokuduma okukûlu, lwawa udonga lwati-bûma; benyuka abantu kuwo umzi, elowo watî-ngqo bawutûmbâ umzi.

21 Bazisingela pântsi ngohlangoti lwefele zonke izinto ezikulomzi: betâbatêla kwindoda besa kumfazi; betâbatêla kwindodana besa kwixêgo, besa nakwinkomo, nakwimpahl' emfutshane, nakwi-esile.

22 U-Yoshuwa wayeseletê kumadoda amabini abelihlolile ilizwe, Yiyani kwindlu yenkazana-leya ilihenyukazi, niyikûpê kôna lonkazana nento yonke enayo, njengoko nayifungelayo.

23 Abengenile-ke amadodana azintlola, amkûpâ u-Rahabi, noyise, nonina, nabanakwabo, nabo bonke abe nabo, nemizalwane yakê yonke bayikûpâ, bayibeka ngapândle kweminquba yakwa-Sirayeli.

24 Bawutshisa umzi ngomlilo, nento zonke ezikuwo; kodwa i-silvere, ne-golide, nempahla yobêdu neyesinyiti, bayibeka ebuncwaneni bendlu ka-Yehova.

25 Ke u-Rahabi ihenyukazi, nendlu yoyise, nabo bonke abe nabo, u-Yoshuwa wamsindisa; wahlala pâkatî kwama-Sirayeli unanamhla; ngokuba wabazimezayo abatûnywa, abebatûmile u-Yoshuwa ukuba bayihlole i-Yeriko.

26 Wafunga u-Yoshuwa ngeloxesha esitî, Uqalekisiwe pâmbî ko-Yehova umntu oya kusuka awakê lomzi, i-Yeriko-le; wowuseka ngowamazibulo akê, azimise ingcango zawo ngowamatûmbû akê.

27 U-Yehova waba no-Yoshuwa; udumo lwakê lwaba sezweni lonke.

7 Kekaloku onyana baka-Sirayeli benza ubumenemene entwini esingelwe pântsi. U-Akan unyana ka-Karmi, unyana ka-Zabedi, unyana ka-Zera, wesizwe sakwa-Yuda, watâbatâ entweni esingelwe pântsi. Wavutâ-ke umsindo ka-Yehova konyana baka-Sirayeli.

2 U-Yoshuwa wasusa amadoda e-Yeriko ukuba aye e-Ayi, engase-Betaven, ngasempumalanga e-Beteli, watî kuwo, Nyukani nilihlole ilizwe. Anyuka-ke amadoda lawo, ayihlola i-Ayi.

3 Abuyela ku-Yoshuwa, atî kuye, Mabangenyuki bonke abantu, makunyuke amadoda amayela kumawaka amabini, nokuba ngamadoda amayela kumawaka amatâtû, ayicîtê i-Ayi. Mus' ukubadinisa bonke abantu ngokubasa kôna; kuba abaya bantu bambalwa.

4 Kwenyuka-ke kwaya kôna kubantu amadoda amayela kumawaka amatâtû, esuka asaba pâmbî kwamadoda ase-Ayi.

5 Amadoda ase-Ayi abulala kuwo amadodâ amayela kumashumi amatâtû anamatândatû, awasukela pâmbî kwesango, kwesa e-Shebarim, awabulala etâmbêkeni. Yanyibilika intliziyo yabantu, yaba ngamanzi.

6 Wazifazula-ke u-Yoshuwa ingubo zakê, wawa ngobuso emhlabeni pâmbî komkômbê ka-Yehova kwada kwahlwa, yena namadoda amakûlu akwa-Sirayeli, bagalela utûli entloko.

7 Watî u-Yoshuwa, Awu, Nkosi, Yehova, yinina ukuba ababantu ubaweze i-Yordan, usinikele esandleni sama-Amori, ukuba asibûbîse? Akwaba kanye bekukôlekile kutî ukuhlala pêsheya kwe-Yordan!

8 Camagu, Nkosi yam, ndiya kutî-nina emveni kokuba ama-Sirayeli ezinikele ikôsi intshaba zawo!

9 Aya kuva ama-Kanan nabemi bonke belizwe, asifaule, alicime igama letû emhlabeni. Wenze nto-nina-ke kwigama lakô elikûlu?

10 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Vuka, uwele-nina ngobuso?

11 Onile ama-Sirayeli; ewe awugqitile umnqopiso wam endawawisela umtêtô ngawo; ewe atâbatîle entweni esingelwe pântsi; ebile, akânyele, ewe ayibekê ezimpahleni zawo.

12 Ababa nakô-ke onyana baka-Sirayeli ukuma pâmbî kwentshaba zabo, bazinikela

Digitized by Google

ikósi intshaba zabo, ngokuba bebe yinto esingelwe pântsi. Andikupínda ndibe nani, ukuba ayitânga itshatyalaliswe into esingelwe pântsi pâkatí kwenu.

13 Vuka, ubangcwalise abantu, utí, Zingcwaliseleni ingomso; ngokuba utsho u-Yehova u-Tíxo ka-Sirayeli, ukutí, Kukô nto isingelwe pântsi pâkatí kwakô, Sirayeli; akunakô ukuma pâmbí kwentshaba zakô, nide niyisuse into esingelwe pântsi pâkatí kwenu.

14 Ize nisondele kusasa ngokwezizwe zenu, isizwe até wacisha sona u-Yehova sisondele ngokwezindlu zaso; indlu até wacisha yona u-Yehova isondele ngokwamadoda ayo;

15 Ití leyo kucishwe yona inento esingelwe pântsi, itshiswe ngomlilo, nezinto zonke enazo: ngokuba iwugqitile umnqophiso ka-Yehova, nangokuba yenze ubudenge kwa-Sirayeli.

16 Wavuka u-Yoshuwa kusasa ngengomso, wawasondeza ama-Sirayeli ngokwezizwe zawo, kwacishwa isizwe sakwa-Yuda;

17 Wayisondeza imizalwane yakwa-Yuda, kwacishwa umzalwane wakwa-Zera; wawusondeza umzalwane wakwa-Zera ngokwamadoda awo, kwacishwa u-Zabedi;

18 Wayisondeza indlu yakê ngokwamadoda ayo, kwacishwa u-Akan unyana ka-Karmi, unyana ka-Zabedi, unyana ka-Zera, wesizwe sakwa-Yuda.

19 Watí u-Yoshuwa ku-Akan, Nyana wam, mzukise u-Yehova u-Tíxo ka-Sirayeli, umdumise; kâundixelele into oyenzileyo; mus' ukukânyela kum.

20 U-Akan wampêndula u-Yoshuwa, watí, Okunene ndonile ku-Yehova u-Tíxo ka-Sirayeli, ndenje nje, ndenje nje:

21 Ndabona emaxôbeni ingubo enkulu entle yase-Shinare yanye, ne-shekele zesilivere zaba makúlu mabini, nesinqumka se-golide sasinye esizi-shekele ezimashumi mahlanu ubunzima baso, ndazinqwenela, ndazitâbatâ: nanzo zimbêlwe emhlabeni pâkatí kwen-tente yam, i-silivere ingapântsi.

22 Watûma u-Yoshuwa abatûnywa; bagidima baya en-tenteni; nanzo zimbêlwe en-tenteni yakê, i-silivere ingapântsi.

23 Bazitâbatâ pântsi kwen-tente, bazisa ku-Yoshuwa, nakonyana baka-Sirayeli bonke; bazikûpêla pâmbí ko-Yehova.

24 U-Yoshuwa enama-Sirayeli onke, wamtâbatâ u-Akan unyana ka-Zera, ne-silvere, nengubo enkulu, nesinqumka se-golide, nonyana bakê, nentombí zakê, nenkomo zakê, nama-esile akê, nempahla yakê emfutshane, nen-tente yakê, nezinto zonke anazo, bazisa entilini ye-Akore.

25 Watí u-Yoshuwa, Azi usihlisele ishwangusha! Namhla u-Yehova uya kukuhlisela ishwangusha. Onke ama-Sirayeli amxuluba-ke ngamatye, azitshisa ezonto ngomlilo. Apôsa amatye pêzu kwazo.

26 Amisa pezu kwakê imfumbâ enkulu yamatye, ekôyo unanamhla. Wabuya-ke u-Yehova ekuvutêni komsindo wakê. Kungoko kwatíwa igama lalondawo yintili ye-Akore[1] unanamhla.

8 Watí u-Yehova ku-Yoshuwa, Mus'ukoyika, ungaqípuk' umbilini. Tâbatâ bonke abantu bokulwa, usuke, unyuke uye e-Ayi. Yabona, ndimnikele esandleni sakô ukumkani wase-Ayi, nabantu bakê, nomzi wakê, nelizwe lakê;

2 Wenze kwi-Ayi nokumkani wayo njengoko wenza ngako kwi-Yeriko nokumkani wayo; kodwa nozitímbêla amaxôba ayo, nenkomo zayo; wobeka kulomzi abalaleli emva kwawo.

3 Wesuka u-Yoshuwa nabantu bonke bokulwa, wenyuka waya e-Ayi. U-Yoshuwa wanyula amadoda angamagofa anobufoti, angamashumi omatâtû amawaka, wawasusa ngobusuku,

4 Wawawisela umtêtô, esití, Yabonani, ningabalaleli kuwo umzi emva komzi; musan' ukuba kude kakúlu kuwo umzi, lungani nonke nipêla.

5 Mna-ke, nabantu bonke abanam, siya kusondela kuwo umzi. Kotí, bakupûma basihlangabeze njengokuya kokuqala, sisuke sifole pâmbí kwabo.

6 Bopûma-ke basilandele, side sibafole kuwo umzi; kuba baya kutí, Bayasaba pâmbí kwetû, njengokuya kokuqala. Siya kufola-ke tína pâmbí kwabo;

7 Nisuke-ke nina ekulaleleni kwenu, niwuhlutê umzi; u-Yehova u-Tíxo wenu uwunikele esandleni senu.

8 Kotí, xenikweni nitê nawutâbatâ umzi, niwufake isikúni, nenze ngokwelizwi lika-Yehova. Yabonani, ndiniwisele umtêtô.

9 Wawasusa-ke u-Yoshuwa; aya kulale-

[1] Ukuhlisa ishwangusha.

Digitized by Google

la, ahlala pâkatî kwe-Beteli ne-Ayi, ngasentshonalanga e-Ayi; u-Yoshuwa walala pâkatî kwabantu ngobobusuku.

10 Wavuka kusasa ngengomso u-Yoshuwa, wabahlela abantu, wenyuka, yena namadoda amakûlu akwa-Sirayeli pâmbî kwabantu, waya e-Ayi.

11 Bonke abantu bokulwa ababe naye benyuka, basondela, beza pâmbî komzi, bamisa ngase-Ntla kwe-Ayi; kwabakô umfula pâkatî kwabo ne-Ayi.

12 Watâbatâ amadoda amayela kumawaka amahlanu, wawabeka ekulaleleni pâkatî kwe-Beteli ne-Ayi, ngasentshonalanga komzi.

13 Abantu babeyimisile yonke impi ebingase-Ntla komzi, nabalaleli bayo ngasentshonalanga komzi. U-Yoshuwa wacanda pâkatî komfula ngobobusuku.

14 Kwatî, akubona ukumkani wase-Ayi, amadoda alomzi anxâma, avuka kwakusasa, apûma eya kuhlangabeza ama-Sirayeli ukuba kuliwe, yena nabantu bake bonke, endaweni emisiweyo pâmbî kwe-Araba; ebengazi-ke yena ukuba kulalelwe emva komzi.

15 U-Yoshuwa nama-Sirayeli onke bazenza aboyisiweyo pâmbî kwabo, bafola ngendlela yasentlango,

16 Bahlatyelwa umkôsi bonke abantu abakulomzi ukuba babasukele. Bamsukela-ke u-Yoshuwa, baqîwukana nomzi wabo.

17 Akwasala nanye indoda e-Ayi nase-Beteli, engapûmanga iwalandele ama-Sirayeli; bawushiya umzi uvulekile, bawasukela ama-Sirayeli.

18 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Wolule umkônto osesandleni sakô ngakwi-Ayi; kuba ndiya kuyinikela esandleni sakô. Wawolula-ke u-Yoshuwa umkônto osesandleni sakê ngakuwo umzi.

19 Besuka abalaleli ngokukâuleza endaweni yabo, bagidima; akusolula isandla sakê, bangena kulomzi, bawutîmbâ, banxâma, bawufaka isikûni.

20 Abêka emva kwawo amadoda ase-Ayi, abona, nango umsi womzi unyuka usiya ezulwini; akaba namandla okusabela ngapâ nangapâ; batî abantu ababesabele entlango, babaguqukela ababasukelayo.

21 U-Yoshuwa nama-Sirayeli onke abona ukuba abalaleli bawutîmbile umzi, nokuba umsi womzi uyenyuka, babuya-ke bawabulala amadoda ase-Ayi.

22 Bapûma abaya kulomzi, beza kubakâulela; aba pâkatî kwabakwa-Sirayeli, abanye bangapâ, abanye bangapâ; bawabulala-ke kwada akwasala usabileyo nosindileyo.

23 Bambambâ ehleli ukumkani wase-Ayi, bamsondeza ku-Yoshuwa.

24 Kwatî, xa ama-Sirayeli ebegqibile ukubabulala bonke abemi base-Ayi ezweni, entlango apô abebasukele kôna, naxa babewile bonke ngohlangotî lwerele bada baggitywa, ama-Sirayelionke abuyela e-Ayi ayibulala ngohlangotî lwerele.

25 Kwatî, bonke abawayo ngalomini, betâbatêla kwindoda besisa kumfazi: bangamawaka alishumi elinamabini, bonke abantu base-Ayi.

26 Akasibuyisanga u-Yoshuwa isandla sakê, awolule umkônto ngaso, bada batshatyalaliswa bonke abemi base-Ayi.

27 Kodwa inkomo namaxôba alomzi azitîmbêla ama-Sirayeli ngokwelizwi lika-Yehova, abemwisele umtêtô ngalo u-Yoshuwa.

28 Wayitshisa-ke u-Yoshuwa i-Ayi, wayenza umwewe ongunapâkade, inxowa, unanamhla.

29 Wamxôma emtîni ukumkani wase-Ayi kwada kwalixesha langokuhlwa; lakutshona ilanga wawisa umtêtô u-Yoshuwa, ukuba basitûle isidûmbû sakê emtîni; basipôsa esitûbeni sesango lomzi, bamisa pêzu kwaso imfumbâ enkulu yamatye, ikôna unanamhla.

Waza u-Yoshuwa wamakêla u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli isibingelelo entabeni ye-Ebali,

31 Njengoko u-Moses isicaka sika-Yehova wabawiselayo onyana baka-Sirayeli un êtô, njengoko kubâliweyo encwadini yomyalelo ka-Moses: isibingelelo samatye awonke, esingasetyenzwanga ngantsimbi; banyusa pêzu kwaso amadini anyukayo ku-Yehova, babingelela imibingelelo yoxolo.

32 Wabâla kôna ematyeni, wawupînda ukuwubâla umyalelo ka-Moses, awawubâlayo pâmbî konyana baka-Sirayeli.

33 Onke ama-Sirayeli, namadoda awo amakûlu, nababâli, nabagwebi bawo, ema ngapâ nangapâ komkômbê pâmbî kwabenzeleleli abangaba-Levi, abatwele umkômbe wonnqopîso ka-Yehova, owasemzini enjengozalwayo; esinye isiqingatâ sabo

Digitized by Google

simalunga nentaba ye-Gerizim, esinye isiqingatâ sabo simalunga nentaba ye-Ebali; njengoko u-Moses isicaka sika-Yehova wawisayo umtêtô ngenx' engapâmbîli, ukuba basikelelwe abantu bakwa-Sirayeli.

34 Emveni koko wawalesa onke amazwi omyalelo, intsikelelo neziqalekiso, ngako konke okubâliweyo encwadini yomyalelo.

35 Akwabikô nalinye ilizwi kuwo onke amazwi abewise u-Moses umtêtô ngawo, angalilesanga u-Yoshuwa pâmbî kwebandla lonke lama-Sirayeli, nabafazi, nabantwana, nowasemzini ohambâ pâkatî kwawo.

9 Kwatî, bakuva bonke okumkani ababenganeno kwe-Yordan ezintabeni, nasezihlanjeni, nangaselwandle lonke olukûlu, kwasingisa e-Lebanon, ama-Heti, nama-Amori, nama-Kanan, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi;

2 Babutêlana ndawonye, ukuba balwe ngamxèlo-mnye no-Yoshuwa nama-Sirayeli.

3 Ke abemi base-Gibeyon beva oko akwenzileyo u-Yoshuwa kwi-Yeriko nakwi-Ayi,

4 Benza nabo ngobuqôpololo, baya bazenza izigidimi, babeka inxôwa ezonakeleyo ema-esileni abo, nentsuba ze-wayini ezonakeleyo eziřazukileyo ezibotshiweyo,

5 Nembâdada ezonakeleyo ezixoliweyo ezinyaweni zabo, bambâtâ nengubo ezonakeleyo; nesonka sonke sompâko wabo besomile, besingundile kunene.

6 Beza ku-Yoshuwa emkôsini e-Giligali, batî kuye nakumadoda akwa-Sirayeli, Sivela ezweni elikude; simiseleni ngoko umnqopîso.

7 Ati amadoda akwa-Sirayeli kuma-Hivi lawo, Hi kanti nikwahleli pâkatî kwetû, sotî-nina ukunimisela umnqopîso?

8 Batî ku-Yoshuwa, Singamakôboka akô. Watî u-Yoshuwa kubo, Ningobanina, nivela pîna?

9 Batî kuye, Avela kwelikude kakûlu ilizwe amakôboka akô, ngenxa yegama lika-Yehova u-Tîxo wakô; kuba siluvile udumo lwakê, nento yonke awayenzayo e-Yiputa,

10 Nento yonke awayenzayo kokumkani bobabini bama-Amori ababe pêsheya kwe-Yordan, ku-Sihon ukumkani wase-Heshbon naku-Ogi ukumkani wase-Bashan obe se-Ashtaroti.

11 Atsho kutî amadoda amakûlu nabemi bonke belizwe lakowetû ukutî, Pâtâni ezandleni zenu umpâko wendlela, niye kuwakâulela, nitî kuwo, Singamakôboka enu; simiseleni ngoko umnqopîso.

12 Esi sisonka setû esasenza umpâkô wetû sishushu ezindlwini zetû ngomhla wokupûma kwetû ekâya ukuza kuni; ngoku nasi somile, singundile;

13 Intsuba ezi ze-wayini sazizalisa zintsha; nanzi ziřazukile; nanzi, nengubo zetû nembâdada zetû zonakele ngobude bendlela.

14 Acapûla-ke amadoda empâkweni wabo, akabuza *cebo* emlonyeni ka-Yehova.

15 Wenza uxolo nabo u-Yoshuwa, wabamisela umnqopîso wokubasindisa; zabafungela nezikûlu zalo ibandla.

16 Kwatî, ekupêleni kwemihla emitâtû emveni kokuba bebamisele umnqopîso, beva ukuba bakufupî kubo, nokuba bahleli kwapâkatî kwabo.

17 Banduluka onyana baka-Sirayeli, bafika emizini yabo ngomhla wesitâtû. Imizi yabo yi-Gibeyon, ne-Kefira, ne-Beroti, ne-Kiriyati-yeharim.

18 Onyana baka-Sirayeli abababulala, ngokuba izikûlu zebandla bezifunge u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli kubo. Laziřorela izikûlu lonke ibandla.

19 Zatî zonke izikûlu kwibandla lonke, Tîna sifunge u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli kubo, kengoko asinakubacûkumisa.

20 Masenje nje kubo; masibasindise, kungabikô bufalafume pêzu kwetû ngenxa yesifungo esabafungela sona.

21 Zati izikûlu kubo, Mabadle ubomi; mababe ngabatêzi benkuni nabakî bamanzi bebandla lonke; njengoko zatêtâyo izikûlu kubo.

22 Wababiza-ke u-Yoshuwa, watêtâ kubo, esitî, Nisikôhlisele-nina, nisitî, Simgama kakûlu kuni; kanti nihleli kwapâkatî kwetu?

23 Niqalekisiwe ngoko; kuni akuyi kunqumka makôboka, batêzi benkuni, bakî bamanzi bendlu ka-Tîxo wam.

24 Bapêndula batî ku-Yoshuwa, Axelelwa ngokuqinisekileyo amakôboka akô, okokuba u-Yehova u-Tîxo wakô wamwisela u-Moses isicaka sakê umtêtô, ukuba uya kuninika lonke ilizwe, nokuba uya kubatshabalalisa bonke abemi belizwe ebuswe-

Digitized by Google

ni benu; sayoyikela kunene-ke imipêfumlo yetû ebusweni benu, senza lento-ke.

25 Kaloku-nje nanku sisesandleni sakô; yenza njengoko kulungileyo, njengoko kutê-tye, emehlweni akô ukwenza kutî.

26 Wenje njalo-ke kubo, wabahlangula esandleni sonyana baka-Sirayeli, ababababulala.

27 U-Yoshuwa wabenza ngalomini abatêzi benkuni nabakî bamanzi ebandleni nasesibingelelweni sika-Yehova, unanamhla, kulondawo atê wayinyula.

10 Kwatî, akuva u-Adoni-tsedeki ukumkani wase-Yerusalem, ukuba u-Yoshuwa uyitîmbile i-Ayi, wayitshabalalisa; njengoko wenza ngako kwi-Yeriko nokumkani wayo, wenje njalo kwi-Ayi nokumkani wayo; nokuba abemi base-Gibeyon benze uxolo nama-Sirayeli, baba pâkatî kwawo:

2 Boyika kunene, kuba ngumzi omkûlu i-Gibeyon, njengomnye wemizi yobukumkani, ngokuba inkulu kune-Ayi, namadoda ayo onke angamagofa.

3 Wesuka u-Adoni-tsedeki ukumkani wase-Yerusalem, watûmela ku-Hoham ukumkani wase-Hebron, naku-Piram ukumkani wase-Yarmuti, naku-Yafiya ukumkani wase-Lakishe, naku-Debiri ukumkani wase-Egelon, esitî,

4 Nyukani nize kum, nindincede, siyixabele i-Gibeyon; kuba yenze uxolo no-Yoshuwa nonyana baka-Sirayeli.

5 Bahlangana-ke, benyuka okumkani abo bama-Amori bobahlanu, ukumkani wase-Yerusalem, nokumkani wase-Hebron, nokumkani wase-Yarmuti, nokumkani wase-Lakishe, nokumkani wase-Egelon, bona nemikôsi yabo yonke, bayingqinga i-Gibeyon, balwa nayo.

6 Atûmela-ke amadoda ase-Gibeyon ku-Yoshuwa emkôsini e-Giligali, esitî, Mus' ukusiyekelela isandla sakô kubakônzi bakô; nyuka uze kutî ngokukâuleza, usisindise, usincede; ngokuba bebutêlene pêzu kwetû bonke okumkani bama-Amori abemiyo ezintabeni.

7 Wenyuka-ke u-Yoshuwa, esuka e-Giligali, yena nabantu bonke bokulwa bendawo-nye naye, namagofa onke anoburoti.

8 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Mus' ukuboyika; kuba ndibanikele esandleni sakô; akuyi kuma ndoda kubo pâmbî kwakô.

9 Wafika u-Yoshuwa kubo ngebâqo; wenyuka bonke ubusuku, evela e-Giligali.

10 U-Yehova wabadubaduba pâmbi kwama-Sirayeli, ababulala ngobulawo olukûlu e-Gibeyon; abasukela ngendlela enyuka iye e-Bete-horon, ababulala kwada kwesa e-Azeka, kwada kwesa nase-Makeda.

11 Kwatî, ekusabeni kwabo pâmbî kwama-Sirayeli, besetâmbêkeni lase-Bete-horon, u-Yehova wabatôbela amatye amakûlu ezulwini, kwada kwesa e-Azeka, bafa. Babaninzi abafa ngamatye esicôto kunababulawayo ngonyana baka-Sirayeli ngefele.

12 Waza watêtâ u-Yoshuwa ku-Yehova mhlana u-Yehova wawanikela ama-Amori konyana baka-Sirayeli, watî emehlweni ama-Sirayeli;

Langa, nqumama e-Gibeyon;
Nawe, nyanga, entilini ye-Ayalon.

13 Latî-nqumama-ke ilanga, yema inyanga,
Lwada uhlanga lwazipîndezelela ezintshabeni zalo.

Oku akubâlwanga-na encwadini yotê-Tye? Lema-ke ilanga esazulwini sezulu, alanxâma ukutshona yangatî yimini ipêla.

14 Akuzanga kubekô mini injengaleyo, pâmbî kwayo nangasemva kwayo, ngokokude u-Yehova alipûlapûle izwi lomntu; ngokuba u-Yehova wawalwela ama-Sirayeli.

15 Wabuya u-Yoshuwa, enama-Sirayeli onke, waya eminqubeni e-Giligali.

16 Basaba abokumkani bahlanu, bazimela emqolombêni e-Makeda.

17 Kwaxelwa ku-Yoshuwa, kwatîwa, Sibafumene okumkani bobahlanu bezimele emqolombêni e-Makeda.

18 Watî u-Yoshuwa, Qengqelani amatye amakûlu emlonyeni womqolombâ, nimise amadoda pêzu kwawo ukuba abalinde.

19 Ke nina musan' ukuma; zisukeleni intshaba zenu, niwubetê umqosheliso wazo; musan' ukuwuvumela ungene emizini yawo, kuba u-Yehova u-Tixo wenu uwunikele esandleni senu.

Digitized by Google

20 Kwatí, akugqiba u-Yoshuwa nonyana baka-Sirayeli ukuzibulala kakúlu kunene zada zagqitywa, zatí eziseleyo kuzo, zaya kungena emizini enqatyisiweyo,
21 Babuya-ke bonke abantu baya emkósini ku-Yoshuwa e-Makeda ngoxolo; akwabikó *nja* ibavungamelayo onyana baka-Sirayeli, kwa nabani.
22 Watí u-Yoshuwa, Vulani umlomo womqolombá, nibakúpé emqolombéni abakumkani bobahlanu beze kum.
23 Benje njalo-ke; babakúpa emqolombéni, beza kuye abokumkani bobahlanu, ukumkani wase-Yerusalem, nokumkani wase-Hebron, nokumkani wase-Yarmuti, nokumkani wase-Lakishe, nokumkani wase-Egelon.
24 Kwatí, bakubakúpá, babasa ku-Yoshuwa abokumkani; wawabiza u-Yoshuwa onke amadoda akwa-Sirayeli, watí kubapátí bamadoda okulwa ababehambé naye, Sondelani, nibanyatéle entanyeni abakumkani. Basondela-ke, babanyatéla ezintanyeni zabo.
25 Watí u-Yoshuwa kubo, Musan' ukoyika, musan' ukuqípuka umbilini; yomelelani nikálipe, ngokuba u-Yehova uya kwenje njalo kwintshaba zenu zonke enilwa nazo.
26 Wabaxabela-ke u-Yoshuwa, emveni koko wababulala, wabaxóma emitíni emihlanu; baxónywa emitíni apó kwada kwahlwa.
27 Kwatí ngexesha lokutshona kwelanga, u-Yoshuwa wawisa umtétó, babatúla emtíni, babapósa emqolombéni abebezimele kuwo, babeka amatye amakúlu emlonyeni womqolombá, asekóyo nanamhla-nje.

28 U-Yoshuwa wayitímbá ne-Makeda ngalomini, wayixabela ngohlangotí lwerele, nokumkani wayo, wabatshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo; akasalisa namnye usindileyo. Wenza kukumkani wase-Makeda njengoko wenza ngako kukumkani wase-Yeriko.

29 Wagqitá u-Yoshuwa enama-Sirayeli onke e-Makeda, waya e-Libena, walwa ne-Libena.
30 Wayinikela kananjalo u-Yehova esandleni sama-Sirayeli nokumkani wayo, wayixabela ngohlangoti lwerele, kwanabantu bonke abakuyo; akasalisa kuyo namnye usindileyo. Wenza kukumkani wayo njengoko wenza ngako kukumkani wase-Yeriko.

31 Wagqitá u-Yoshuwa e-Libena, enama-Sirayeli onke, waya e-Lakishe, wayingqínga, walwa nayo.
32 U-Yehova wayinikela i-Lakishe esandleni sama-Sirayeli, ayitímbá ngomhla wesibini, ayixabela ngohlangotí lwerele, kwanabantu bonke abakuyo, njengako konke awakwenzayo kwi-Libena.

33 Waza wenyuka u-Horam ukumkani wase-Gezere, waya kuyinceda i-Lakishe; u-Yoshuwa wambulala yena nabantu bakó, kwada akwasala namnye kuye usindileyo.

34 Wegqitá u-Yoshuwa e-Lakishe, enama-Sirayeli onke, aya e-Egelon, ayingqínga, alwa nayo.
35 Ayitímbá ngalomhla, ayixabela ngohlangotí lwerele; kwanabantu bonke abakuyo, wayitshabalalisa ngalomhla, njengako konke awakwenzayo kwi-Lakishe.

36 Wenyuka u-Yoshuwa esuka e-Egelon, waya e-Hebron, enama-Sirayeli onke, alwa nayo.
37 Ayitímbá, ayixabela ngohlangotí lwerele, nokumkani wayo, nemizi yayo yonke, nabantu bonke abakuyo; akwasala namnye usindileyo, njengako konke awakwenzayo kwi-Egelon; watshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo.

38 Wabuya-ke u-Yoshuwa enama-Sirayeli onke, weza e-Debiri, walwa nayo.
39 Wayitímbá nokumkani wayo nemizi yayo yonke, ayixabela ngohlangotí lwerele, ayitshabalalisa kwanabantu bonke abakuyo; akwasala namnye usindileyo; njengoko wakwenzayo kwi-Hebron, wenje njalo kwi-Debiri nakukumkani wayo; njengoko wakwenzayo kwi-Libena nakukumkani wayo.

40 Walibulala-ke u-Yoshuwa lonke ilizwe lentaba, nelase-Zantsi, nelezihlambó, nelamaxandeka, nabo bonke okumkani balo; akwasala namnye usindileyo; watshabalalisa konke okupéfumlayo, njengoko wawisa umtétó u-Yehova u-Tíxo ka-Sirayeli.

Digitized by Google

41 Wababulala u-Yoshuwa, watâbatêla e-Kadeshe-barneha, wesa e-Gaza, nelizwe lonke lase-Goshen, wesa e-Gibeyon.

42 Wabatîmbâ u-Yoshuwa bonke abokumkani nelizwe labo ngesihlandlo esinye, ngokuba u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli ebewalwela ama-Sirayeli.

43 Wabuya u-Yoshuwa enama-Sirayeli onke, weza eminqubeni e-Giligali.

11 Kwatî, akukuva *oko* u-Yabin ukumkani wase-Hatsore, watûma ko-Yobabi ukumkani wase-Madon, nakukumkani wase-Shimron, nakukumkani wase-Akeshafi,

2 Nakokumkani abangase-Ntla ezintabeni, nase-Araba ngase-Zantsi kwe-Kineroti, nasezihlanjeni, nasezindulini zase-Dore engasentshonalanga,

3 Kuma-Kanane empumalanga nasentshonalanga, nakuma-Amori nakuma-Heti, nakuma-Perizi, nakuma-Yebusi ezintabeni, nakuma-Hivi apântsi kwe-Hermon ezweni le-Mitspa.

4 Bapûma-ke bona benemikôsi yabo yonke, abantu abaninzi njengentlabati eselunxwemeni lolwandle ukuba baninzi, namahashe nenqwelo zokulwa into eninzi kunene.

5 Bavumelana-ke abokumkani bonke; beza bamisa ndawonye emanzini ase-Merom, ukuba balwe nama-Sirayeli.

6 Watî u-Yehova ku-Yoshuwa, Mus' ukoyika ngenxa yabo; ngokuba ngomso elixa ndiya kubanikela bonke bepêla behlatyiwe emandleni ama-Sirayeli, uwanqumle imisipâ amahashe abo, uzitshise ngomlilo inqwelo zabo zokulwa.

7 Waya-ke u-Yoshuwa, enabantu bonke bokulwa, wabafikela ngebâqo emanzini ase-Merom, babawela.

8 U-Yehova wabanikela esandleni sama-Sirayeli, ababulala, abasukela kwesa e-Tsidon enkûlu, kwesa e-Miserefoti-mayim, kwesa etâfeni lase-Mitspe empumalanga, ababulala kwada akwasala namnye kubo usindileyo.

9 Wenza-ke u-Yoshuwa kubo njengoko watêtâyo u-Yehova kuye: amahashe abo wawanqumla imisipâ, inqwelo zabo zokulwa wazitshisa ngomlilo.

10 Wabuya u-Yoshuwa ngeloxesha, wayitîmbâ i-Hatsore, wambulala ukumkani wayo ngeŕele, kuba Hatsore ngenx' engapâmbîli ibiyintloko yezozikumkani zonke.

11 Ababulala bonke abantu abakuyo ngohlangotî lweŕele, ayitshabalalisa; akwasala namnye upêfumlayo; ayitshisa i-Hatsore ngomlilo.

12 Yonke imizi yabokumkani, nabokumkani bayo bonke wabatîmbâ u-Yoshuwa, wababulala ngohlangotî lweŕele, wabatshabalalisa, njengoko u-Moses isicaka sika-Yehova wawisa umtêtô.

13 Kodwa yonke imizi emi emimangweni yayo ama-Sirayeli akayitshisanga; yaba yi-Hatsore yodwa awayitshisayo u-Yoshuwa.

14 Onke amaxôba alomizi nenkomo bazitîmbêla onyana baka-Sirayeli; kodwa bababulala bonke abantu ngohlangotî lweŕele, bada babatshabalalisa, abasalisa namnye upêfumlayo.

15 Njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses isicaka sakê, wenje njalo u-Moses ukumwisela umtêtô u-Yoshuwa. Wenje njalo-ke u-Yoshuwa; akasusa nalinye ilizwi kuko konke u-Yehova awamwisela u-Moses umtêtô ngako.

16 Walitâbatâ-ke u-Yoshuwa lonke elozwe lentaba, nelase-Zantsi lonke, nelizwe lase-Goshen lonke, nelezihlambô, nele-Araba, nentaba zakwa-Sirayeli, nezihlambô zazo;

17 Elitâbatêla ezintabeni ezimkûtuka, ezinyuka ziye kwa-Sehire, lesa e-Bahaligadi, etafeni lase-Lebanon, pântsi kwentaba ye-Hermon. Bonke okumkani bawo wabatîmbâ, wabaxabela, wababulala.

18 Yaba mininzi-ke imihla esenza imfazwe u-Yoshuwa nabokumkani bonke.

19 Akubangakô mzi wazinikela ngoxolo konyana baka-Sirayeli, inge ngama-Hivi abemi base-Gibeyon; yonke bayitâbatâ ngokulwa.

20 Ngokuba kwavela ku-Yehova ukuziqinisa intliziyo zabo, ukuba bawahlangabeze ama-Sirayeli ngemfazwe, ukuze abatshabalalise, ukuze kungabikô kubabalwa kwabo, ukuze-ke abatshabalalise njengoko u-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses.

21 Wafika u-Yoshuwa ngeloxesha, wawanqumla ama-Anaki ezintabeni, e-Hebron, e-Debiri, e-Anabi, ezintabeni zonke

Digitized by Google

zakwa-Yuda, ezintabeni zonke zakwa-Sirayeli; u-Yoshuwa wawatshabalalisa kunye nemizi yawo.

22 Akwasala ma-Anaki ezweni lonyana baka-Sirayeli, kupêla kwasala e-Gaza, nase-Gati, nase-Ashdode.

23 Walitâbatâ-ke u-Yoshuwa lonke ilizwe, njengako konke awakutêtâyo u-Yehova ku-Moses; walinika u-Yoshuwa lalilifa lama-Sirayeli, ngokwentlantlu zawo, ngokwezizwe zawo. Lazola-ke ilizwe akwabikô mfazwe.

12 Ngabo-ke aba okumkani belizwe, ababulawayo ngonyana baka-Sirayeli, balihlutâ ilizwe labo pêsheya kwe-Yordan ngasempumalanga, betâbatêla emlanjaneni oyi-Arnon, besa entabeni ye-Hermon, ne-Araba yonke ngasempumalanga:

2 Ngu-Sihon ukumkani wama-Amori, obehleli e-Heshbon, elaula etâbatêla e-Arohere engasemlanjaneni oyi-Arnon, napâkatî kwesihlambô, nasesiqingatêni se-Giliyadi, wesa emlanjaneni oyi-Yaboki, engumda wonyana baka-Amon;

3 Ne-Araba, wesa elwandle lwase-Kineroti ngasempumalanga, wesa elwandle lwe-Araba, ulwandle lwe-Tyuwa ngasempumalanga, ngendlela ye-Bete-yeshimoti; nase-Zantsi, pântsi kwamaxandeka ase-Pisga.

4 *Bahlutâ* necala lika-Ogi ukumkani wase-Bashan, owayesele kuma-Rafa, obehleli e-Ashtaroti nase-Edreyi,

5 Elaula entabeni ye-Hermon nase-Saleka, nakwi-Bashan yonke, wesa emdeni wama-Geshuri, nama-Mahakati, nesiqingatâ se-Giliyadi, umda ka-Sihon ukumkani wase-Heshebon.

6 U-Moses isicaka sika-Yehova nonyana baka-Sirayeli bababulala abo. U-Moses, isicaka sika-Yehova, walinika lamiwa ngama-Ruben, nangama-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase.

7 Ngabo aba okumkani belizwe, awababulalayo u-Yoshuwa nonyana baka-Sirayeli nganeno kwe-Yordan ngasentshonalanga, etâbatêla e-Bahali-gadi entilini ye-Lebanon, wesa ezintabeni ezimkûtûka, ezinyukayo ziye kwa-Sehire; u-Yoshuwa walinika izizwe zakwa-Sirayeli, zema kulo ngokwentlantlu zazo,

8 Ezintabeni, nasezihlanjeni, nase-Araba, nasemaxandekeni, nasentlango, nakwelase-Zantsi, ama-Heti, nama-Amori, nama-Kanan, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi:

9 Ngukumkani wase-Yeriko, emnye; ngukumkani wase-Ayi, engecala le-Beteli, emnye;

10 Ngukumkani wase-Yerusalem, emnye; ngukumkani wase-Hebron, emnye;

11 Ngukumkani wase-Yarmuti, emnye; ngukumkani wase-Lakishe, emnye;

12 Ngukumkani wase-Egelon, emnye; ngukumkani wase-Gezera, emnye;

13 Ngukumkani wase-Debiri, emnye; ngukumkani wase-Gedere, emnye;

14 Ngukumkani wase-Horma, emnye; ngukumkani wase-Arade, emnye;

15 Ngukumkani wase-Libena, emnye; ngukumkani wase-Adulam, emnye;

16 Ngukumkani wase-Makeda, emnye; ngukumkani wase-Beteli, emnye;

17 Ngukumkani wase-Tapuwa, emnye; ngukumkani wase-Hefere, emnye;

18 Ngukumkani wase-Afeki, emnye; ngukumkani wase-Lasharon, emnye;

19 Ngukumkani wase-Madon, emnye; ngukumkani wase-Hatsore, emnye;

20 Ngukumkani wase-Shimron-merom, emnye; ngukumkani wase-Akesafi, emnye;

21 Ngukumkani wase-Tahanaki, emnye; ngukumkani wase-Megido, emnye;

22 Ngukumkani wase-Kedeshe, emnye; ngukumkani wase-Yokeneham e-Karmele, emnye;

23 Ngukumkani wase-Dore ezindulini ze-Dore, emnye; ngukumkani wama-Goyi e-Giligali, emnye;

24 Ngukumkani wase-Tirtsa, emnye. Bonke okumkani-abo ngamashumi omatâtû anamnye.

13 Kekaloku u-Yoshuwa waye seleyindoda enkulu, eselekûlile; watî u-Yehova kuye, Wena seluyindoda enkulu, uselukûlile, ke ilizwe elisaseleyo lokuhlutwâ liselininzi kunene.

2 Lilo eli ilizwe elisaseleyo: yonke imimandla yama-Filisti nama-Geshuri onke;

3 Itâbatêla e-Sihore epâmbî kwe-Yiputa, ise emdeni wase-Ekron ngase-Ntla. Mayibalelwe kwa kuma-Kanan, eyezikûlu zozihlanu zama-Filisti: eyabase-Gaza, ne-

Digitized by Google

yabase-Ashdode, neyabase-Ashkelon, neyabase-Gati, neyabase-Ekron, neyabase-Avi ngase-Zantsi.

4 Lonke ilizwe lama-Kanan, nomqolombâ ongowama-Tsidon, lise e-Afeka, lise emdeni wama-Amori;

5 Nelizwe lama-Gebali, ne-Lebanon yonke ngasempumalanga, litâbatêla e-Bahali-gadi pantsi kwentaba ye-Hermon, ude uye e-Hamati;

6 Bonke abemi bentaba, kutâbatêla e-Lebanon kuse e-Misrefoti-mayim, onke ama-Tsidon; ndiya kubagqogqa pâmbî konyana baka-Sirayeli. Utî-ke wena ulabele ama-Sirayeli ngeqashiso ukuba libe lilifa, njengoko ndakuwiselayo umtêtô.

7 Kengoko labè elilizwe libe lilifa kwizizwe ezisitôba, nakwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase,

8 Esilifa inxenye yaso salizuza kunye nama-Rubeni nama-Gadi, awawanikayo u-Moses pêsheya kwe-Yordan ngasempumalanga, njengoko abemnikile u-Moses isicaka sika-Yehova:

9 Litâbatêla e-Arohere, engasemlanjeni oyi-Arnon, nomzi opâkatî kwesihlambô-eso, nehewu lonke lase-Medeba, lise e-Dibon;

10 Nemizi yonke ka-Sihon ukumkani wama-Amori, obepêtê ubukumkani e-Heshbon, lise emdeni wonyana baka-Amon;

11 Nelase-Giliyadi, nomda wama-Geshuri, nama-Mahakati, nentaba yonke ye-Hermon, ne-Bashan yonke, kuse e-Saleka;

12 Bonke ubukumkani buka-Ogi e-Bashan, obepêtê ubukumkani e-Ashtaroti nase-Edreyi, ngowayesele kumasalela ama-Rafa. Wawabetâ u-Moses, wawagqogqa.

13 Noko-ke onyana baka-Sirayeli abawagqogqanga ama-Geshuri nama-Mahakati; ahleli ama-Geshuri nama-Mahakati pâkatî kwama-Sirayeli unanamhla.

14 Sisizwe sakwa-Levi sodwa angasinikanga lifa; ukudla kwasemlilweni kuka-Yehova u-Tîxo wama-Sirayeli lilifa laso, njengoko watêtâyo kuso.

15 U-Moses wasinika ilifa isizwe sonyana baka-Ruben ngokwemizalwane yabo:

16 Umda wabo watâbatêla e-Arohere, ngasemlanjaneni oyi-Arnon, nomzi opâkatî kwesihlambô, nehewu lonke elingase-Medeba;

17 I-Heshbon nemizi yayo yonke esehewu: i-Dibon, ne-Bamoti-bahali, ne-Betebahali-mehon,

18 Ne-Yatsa, ne-Kedemoti, ne-Mafahati,

19 Ne-Kiriyatayim, ne-Sibema, ne-Tserete-shahare entabeni yentili;

20 Ne-Bete-pehore, namaxandeka ase-Pisga, ne-Bete-yeshimoti,

21 Nemizi yonke yehewu, nobukumkani bonke buka-Sihon ukumkani wama-Amori, obepêtê ubukumkani e-Heshbon, owabulawayo ngu-Moses kunye nezikûlu zakwa-Midiyan; o-Evi, no-Rekem, no-Tsure, no-Hure, no-Reba, inkosana zika-Sihon ezihleli kwelozwe.

22 No-Bileham unyana ka-Behore, itola, bambulala onyana baka-Sirayeli ngeèele pâkatî kwabahlatyiweyo ngabo.

23 Umda wonyana baka-Ruben waba yi-Yordan nommandla wayo. Lilo elo ilifa lonyana baka-Ruben ngokwemizalwane yabo, imizi yabo ne-lali zabo.

24 U-Moses isizwe sakwa-Gadi, onyana baka-Gadi wabanika ilifa ngokwemizalwane yabo:

25 Umda wabo waba yi-Yazere, nemizi yonke yase-Giliyadi, nesiqingatâ selizwe lonyana baka-Amon, wesa e-Arohere, epâmbî kwe-Raba;

26 Watâbatêla e-Heshbon, wesa e-Ramati-mitspe, ne-Betonim; watabatela e-Mahanayim, wesa emdeni we-Lidebiri;

27 Nasentilini: i-Bete-haram, ne-Betenimra, ne-Sukoti, ne-Tsafon, amasalela obukumkani buka-Sihon ukumkani we-Heshbon, i-Yordan nommandla wayo, wesa ekupêleni kolwandle lwase-Kinerete pêsheya kwe-Yordan ngasempumalanga.

28 Lilo elo ilifa lonyana baka-Gadi ngokwemizalwane yabo, imizi yabo ne-lali zabo.

29 U-Moses wasinika *ilifa* isiqingatâ sesizwe sakwa-Manase. Laba lelesiqingatâ sesizwe sonyana baka-Manase ngokwemizalwane yabo.

30 Umda wabo watâbatêla e-Mahanayim: i-Bashan yonke, bonke ubukumkani buka-Ogi ukumkani wase-Bashan, nelali zonke zakwa-Yahire ese-Bashan, imizi emashumi matândatû.

31 Nesiqingatâ sase-Giliyadi, ne-Ashtaroti, ne-Edreyi, imizi yobukumkani bu-

Digitized by Google

ka-Ogi e-Bashan, yaba yeyonyana baka-Makire unyana ka-Manase, isiqingatâ sonyana baka-Makire ngokwemizalwane yabo.

32 Ngawo lawo amafa awawabayo u-Moses ezinqantosini zakwa-Mowabi pêsheya kwe-Yordan, malunga ne-Yeriko ngasempumalanga.

33 Ke isizwe sakwa-Levi u-Moses akasinikanga lifa. Ngu-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli ilifa laso, njengoko watêtâyo kuso.

14 Ngawo-ke la amafa abawabelwayo onyana baka-Sirayeli ezweni lakwa-Kanan, abawabelwa ngu-Elazare umenzeleleli, no-Yoshuwa unyana ka-Nun, nentloko zezindlu zoyise zezizwe zonyana baka-Sirayeli,

2 Ngeqashiso lelifa labo, njengoko u-Yehova wawisa umtêtô ngesandla sika-Moses, elezizwe ezisitôba ezinesiqingatâ sesizwe.

3 Kuba u-Moses ebezinikile ilifa, izizwe ezibini nesiqingatâ sesizwe, pêsheya kwe-Yordan; ke aba-Levi akabanikanga lifa pâkatî kwazo.

4 Ngokuba onyana baka-Yosefu babe zizizwe ezibini: u-Manase no-Efrayim; ke aba-Levi ababanikanga sabelo ezweni-elo babanika kupêla imizi yokuhlala, namadlelo ayo emfuyo yabo nempahla yabo.

5 Njengoko u-Yehova wamwisela u-Moses umtêtô, benje njalo onyana baka-Sirayeli, balaba ilizwe.

6 Basondela onyana baka-Yuda ku-Yoshuwa e-Giligali. Wati u-Kalebi unyana ka-Yefune, um-Kenazi, kuye, Uyalazi wena ilizwi, awalitêtâyo u-Yehova ku-Moses umntu ka-Tîxo, ngenxa yam nangenxa yakô e-Kadeshe-barneha.

7 Ndandiminyaka imashumi mane ndizelwe, ekususweni kwam ngu-Moses isicaka sika-Yehova, e-Kadeshe-barneha, ukuba ndiye kulihlola ilizwe; ndambuyisela ilizwi njengoko bekusentliziyweni yam.

8 Abazalwana bam, abanyukayo nam, bayinyibilikisa intliziyo yabantu; ke mna ndakuzalisa ukumlandela u-Yehova u-Tîxo wam.

9 Wafunga-ke u-Moses ngalomini, esiti, Inene, ilizwe elinyatêlwe lunyawo lwakô loba lilifa lakô nelonyana bakô kude kuse epâkadeni, ngokuba ukuzalisile ukumlandela u-Yehova u-Tîxo wam.

10 Kângela-ke ngoko, u-Yehova undisindisile njengoko watshoyo, leminyaka imashumi mane anamihlanu, kususela koko walitêtâyo u-Yehova elolizwi ku-Moses, oko ama-Sirayeli abehambâ entlango; yabona-ke ngoku, namhla ndiminyaka imashumi asibôzo anamihlanu ndizelwe.

11 Ndisomelele nanamhla kwa njengamini wanditûma u-Moses; njengoko aye njalo amandla am oko, asenjalo nangoku amandla am okulwa, kwa awokupûma nawokubuya.

12 Kengoko ndinike ezontaba watêtâ zona u-Yehova ngalomini; ngokuba weva wena ngalomini, ukuba ama-Anaki akôna, imizi *yawo* mikûlu inqatyisiwe; mhlaumbî u-Yehova woba nam, ndiwagqogqe-ke, njengoko watshoyo u-Yehova.

13 U-Yoshuwa wamsikelela, wamnika i-Hebron u-Kalebi unyana ka-Yefune ukuba ibe lilifa.

14 Ngenxa yoko i-Hebron yaba lilifa lika-Kalebi unyana ka-Yefune, um-Kenazi, unanamhla; ngenx' enokuba wazalisayo ukumlandela u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.

15 Igama lase-Hebron ngenx' engapâmbili laliyi-Kiryati ka-Arba, umntu omkûlu pâkatî kwama-Anaki-ke. Lazola ilizwe akwabikô mfazwe.

15 Kekaloku iqashiso lesizwe sonyana baka-Yuda, ngokwemizalwane yabo, lasinga emdeni wakwa-Edom, entlango ye-Tsin ngase-Zantsi, ekupêleni kwom-Zantsi.

2 Umda wabo wase-Zantsi watâbatêla ekupêleni kolwandle lwe-Tyuwa, encamini ebêka e-Zantsi;

3 Wapûma wasinga nge-Zantsi ekunyukeni kwe-Akrabim, wegqitâ waya e-Tsin, wenyuka waya ngase-Zantsi kwe-Kadeshe-barneha, wegqitâ waya e-Hetsron, wenyuka waya e-Adare, wajika waya e-Karka;

4 Wegqitâ waya e-Atsemon, wema ngomlanjana wase-Yiputa, ukuma komda wema ngolwandle. Nguwo lowo umda wenu wangase-Zantsi.

5 Umda wasempumalanga lulwandle lwe-Tyuwa, use ekupêleni kwe-Yordan. Umda wecala langase-Ntla watâbatêla e-

Digitized by Google

ncamini yolwandle, ekupêleni kwe-Yordan;
6 Wenyuka umda waya e-Bete-hogela, wegqitâ waya emantla e-Bete-araba, wajika umda waya etyeni lika-Bohan unyana ka-Ruben;
7 Wenyuka umda waya e-Debiri, uvela entilini ye-Akore, wabêka e-Ntla e-Giligali, malunga nokunyuka kwe-Adumim ngase-Zantsi komlanjana; wegqitâ apô waya emanzini ase-En-shemeshe, ukuma kwawo wema nge-En-rogele;
8 Wenyuka umda ngomfula wonyana baka-Hinom, waya egxalabeni lowama-Yebusi ngase-Zantsi: yi-Yerusalem ke-leyo; wenyuka umda waya encotsheni yentaba epâmbî komfula wakwa-Hinom, ngasentshonalanga, osekupêleni kwentili yama-Rafa ngase-Ntla;
9 Wahlaba umda, watâbatêla encotsheni yentaba, waya emtônjeni wamanzi ase-Nefetowa, wapûma waya emizini yasentabeni ka-Efron, wahlaba waya e-Bahala: yi-Kiryati-yeharim ke-leyo.
10 Wajika umda e-Bahala ngasentshonalanga, waya entabeni yakwa-Sehire, wegqitâ waya egxalabeni le-Har-yeharim ngase-Ntla: yi-Kesalon ke-leyo; wehla waya e-Bete-shemeshe, wegqitâ waya e-Timna;
11 Wapûma umda waya egxalabeni le-Ekron ngase-Ntla, wahlaba umda, waya e-Shikron, wegqitâ waya entabeni ye-Bahala, wema nge-Yabeneli; umda waya wema ngolwandle.
12 Umda wasentshonalanga lulwandle olukûlu nommandla walo. Nguwo lowo umda wonyana baka-Yuda ngenxa zonke ngokwemizalwane yabo.

13 U-Kalebi unyana ka-Yefune wamnika isabelo pâkatî konyana baka-Yuda, ngokutsho kuka-Yehova ku-Yoshuwa: umuzi ka-Arba uyise ka-Anaki: ngowase-Hebron ke-lowo.
14 Wabagqogqa apô u-Kalebi onyana bobatâtû baka-Anaki: u-Sheshayi no-Ahiman no-Talemayi, inzalo ka-Anaki.
15 Wenyuka kôna waya kubemi base-Debiri; igama le-Debiri laliyi-Kiryati-sefere ngenx' engapâmbîli.
16 Watî u-Kalebi, Otê wayibulala i-Kiryati-sefere, wayitîmbâ, ndomnika intombî yam u-Akesa ibe ngumkakê.
17 Wayitîmbâ u-Oteniyeli unyana ka-Kenazi, umzalwana ka-Kalebi; wamnikake u-Akesa intombî yakê yangumkakê.
18 Kwatî, ekuzeni kwayo yamvuselela ukuba acele umhlaba kuyise wayo; yehla e-esileni *layo*. Wati u-Kalebi kuyo, Yinto-nina?
19 Yatî, Ndinike into; ngokuba undinike umhlaba ongenamanzi, ndinike nemitômbô yamanzi. Wayinika-ke imitômbô yasentla nemitômbo yasezantsi.

20 Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Yuda ngokwemizalwane yabo.

21 Imizi etâbatêle ekupêleni kwesizwe sonyana baka-Yuda, yesa emdeni wakwa-Edom e-Zantsi, yabi yi-Kabetseli, ne-Edere, ne-Yagure,
22 Ne-Kina, ne-Dimona, ne-Adada,
23 Ne-Kedeshe, ne-Hatsore, ne-Itenan,
24 I-Zifi, ne-Telem, ne-Behaloti,
25 Ne-Hatsore-hadata, ne-Keriyoti-hetseron: yi-Hatsore ke-leyo;
26 I-Amam, ne-Shema, ne-Molada,
27 Ne-Hatsare-gada, ne-Heshmon, ne-Bete-palete,
28 Ne-Hatsare-shuwale, ne-Ber-sheba, ne-Biziyoteya;
29 I-Bahala, ne-Iyim, ne-Etsem,
30 Ne-Elitoladi, ne-Kezili, ne-Horma,
31 Ne-Tsikelage, ne-Mademana, ne-Sanesana,
32 Ne-Lebawoti, ne-Shilehim, ne-Ayin, ne-Rimon: yonke lomizi imashumi mabini anesitôba nelali zayo.

33 Esihlanjeni: yi-Eshtawoli, ne-Tsora, ne-Ashna,
34 Ne-Zanowa, ne-En-ganim, i-Tapuwa, ne-Enam;
35 I-Yarmuti, ne-Adulam, i-Soko, ne-Azeka,
36 Ne-Shaharim, ne-Aditayim, ne-Gedera, ne-Gederotayim: imizi elishumi elinamine ine-lali zayo.

37 I-Tsenan, ne-Hadasha, ne-Migedali yakwa-Gadi,
38 Ne-Dilan, ne-Mitspe, ne-Yoketeli;
39 I-Lakishe, ne-Botsekati, ne-Egelon,
40 Ne-Kabon, ne-Lamasi, ne-Kitilishe,
41 Ne-Gederoti, i-Bete-dagon, ne-Nahama, ne-Makeda: imizi elishumi elinamitândatû ine-lali zayo.

Digitized by Google

42 I-Libena, ne-Etere, ne-Ashan,
43 Ne-Ifeta, ne-Ashna, ne-Netsibi,
44 Ne-Kehila, ne-Akezibi, ne-Maresha: imizi esitôba ine-lali zayo.

45 I-Ekron, namagxamesi ayo ne-lali zayo;
46 Kwatâbatêla e-Ekron ngasentshonalanga, yonke esecaleni le-Ashdode ne-lali zayo.

47 I-Ashdode, namagxamesi ayo ne-lali zayo; i-Gaza, namagxamesi ayo ne-lali zayo, kwesa kumlanjana we-Yiputa, nolwandle olukûlu, nommandla walo.

48 Esezintabeni: yi-Shamire, ne-Yatire, ne-Soko,
49 Ne-Dana, ne-Kiriyati-sana: yi-Debiri ke-leyo;
50 Ne-Anabi, ne-Eshtemo, ne-Anim,
51 Ne-Goshen, ne-Holon, ne-Gilo: imizi elishumi elinamnye ine-lali zayo.

52 I-Arabi, ne-Duma, ne-Eshan,
53 Ne-Yanim, ne-Bete-tapuwa, ne-Afeka,
54 Ne-Humta, ne-Kiriyati-ka-Arba: yi-Hebron ke-leyo; ne-Tsihore: imizi esitôba ine-lali zayo.

55 I-Mahon, i-Karmele, ne-Zifi, ne-Yuta,
56 Ne-Yizereli, ne-Yokedam, ne-Zanowa;
57 I-Kayin, i-Gibeha, ne-Timna: imizi elishumi ine-lali zayo.

58 I-Halehule, i-Bete-tsure, ne-Gedore,
59 Ne-Maharati, ne-Bete-anoti, ne-Elitekon: imizi emitandatu ine-lali zayo.

60 I-Kiriyati-bahali: yi-Kiriyati-yeharim ke-leyo; ne-Raba: imizi emibini ine-lali zayo.
61 Esentlango yi-Bete-araba, i-Midin, ne-Sekaka,
62 Ne-Nibeshan, nomzi we-Tyuwa, ne-Engedi: imizi emitândatû ine-lali zayo.

63 Ke ama-Yebusi abengabemi basè-Yerusalem; ababanga nako ukuwagqogqa onyana baka-Yuda; ahlala ama-Yebusi nonyana baka-Yuda e-Yerusalem nanamhla.

16 Lapûma iqashiso nonyana baka-Yosefu, latâbatêla e-Yordan malunga ne-Yeriko, ngasemanzini ase-Yeriko ngasempumalanga, kwintlango enyuka e-Yeriko eya ezintabeni ngase-Beteli.
2 Wapûma umda e-Beteli, wasinga e-Luzi, wegqitâ waya emdeni wama-Arki e-Ataroti;
3 Wehla waya entshonalanga emdeni wama-Yafeleti, wesa emdeni we-Bete-horon yasezantsi, wesa e-Gezere; ukuma kwawo waya wema ngolwandle.
4 Balabelwa-ke ilifa labo onyana baka-Yosefu, u-Manase no-Efrayim.
5 Umda wonyana baka-Efrayim wenje nje: umda welifa labo ngasempumalanga wayi-Ataroti-adare, wasa e-Bete-horon engasentla;
6 Wapûma umda waya elwandle, e-Mikemati ngase-Ntla; wajika umda waya empumalanga e-Tahanati-shilo, wegqitâ kôna ngasempumalanga e-Yanowa;
7 Wehla e-Yanowa waya e-Ataroti, nase-Naharati, weza e-Yeriko, wema nge-Yordan;
8 Umda wesuka e-Tapuwa, waya entshonalanga, emlanjaneni we-Ngcongolo; nokuma kwawo waya wema ngolwandle. Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Efrayim ngokwemizalwane yabo;
9 Nemizi leyo yahlulelwa onyana baka-Efrayim yayipâkatî kwelifa lonyana baka-Manase, yonke imizi yayine-lali zayo.
10 Abawagqogqanga ama-Kanan abemi e-Gezere. Ema ama-Kanan pâkatî kwama-Efrayim unanamhla, akônza efakwa uviko.

17 Saba neqashiso naso isizwe sakwa-Manase; ngokuba ngowamazibulo ku-Yosefu. Laba no-Makire owamazibulo ku-Manase, laba nomnini-Giliyadi; laba naye elase-Giliyadi nelase-Bashan, kuba ebe yindoda yokulwa;
2 Laba nabanye onyana baka-Manase ngokwemizalwane yabo; laba nonyana baka-Abiyezere, nonyana baka-Heleki, nonyana baka-Aseriyeli, nonyana baka-Shekem, nonyana baka-Hefere, nonyana baka-Shemida; ngabo abo abantwana, abangamadoda, baka-Manase unyana ka-Yosefu, ngokwemizalwane yabo.
3 Ke u-Tselofehade unyana ka-Hefere, unyana ka-Giliyadi, unyana ka-Makire, unyana ka-Manase, ebenge nanyana, ebe

Digitized by Google

nentombî zodwa. Ngawo la amagama entombî zakê: u-Mala, no-Noha, nô-Hogela, no-Milka, no-Tirtsa.

4 Zasondela pambi ko-Elazare umenzeleleli, napâmbî ko-Yoshuwa unyana ka-Nun, napâmbî kwezikûlu, zatî, U-Yehova wamwisela umtêtô u-Moses, ukuba asinike ilifa pâkatî kwabazalwana betû; wazinika-ke ngokomlomo ka-Yehova ilifa pâkatî kwabazalwana boyise.

5 Zaba lishumi-ke izabelo ku-Manase ngapândle kwelizwe lase-Giliyadi, ne-Bashan epêsheya kwe-Yordan;

6 Ngokuba intombî zika-Manase zabelwa ilifa pâkatî konyana bakê; lati nelizwe lase-Giliyadi laba lelabanye onyana baka-Manase.

7 Umda ka-Manase watâbatêla kwa-Ashere, waya e-Mikemetati, epâmbî kowakwa-Shekem; wahambâ umda ngasekunene waya kubemi base-En-tapuwa.

8 U-Manase waba nelizwe lase-Tapuwa; ke i-Tapuwa ngasemdeni wakwa-Manase yaba yeyonyana baka-Efrayim.

9 Wehla umda waya emlanjaneni we-Ngcongolo, e-Zantsi komlanjana. Lemizi ilunge ku-Efrayim yaba pâkatî kwemizi ka-Manase: nommandla wakwa-Manase wawungase-Ntla komlanjana; ukuma kwawo waya wema ngolwandle.

10 Ngase-Zantsi laba lelika-Efrayim, ngase-Ntla laba lelika-Manase; ulwandle lwaba ngumda wakê. Baqubisana no-Ashere ngase-Ntla, baqubisana no-Isakare ngasempumalanga.

11 Kwa-Isakare nakwa-Ashere u-Manase waba ne-Bete-shehan namagxamesi ayo, ne-Ibleyam namagxamesi ayo, nabemi base-Dore namagxamesi ayo, nabemi base-Endore namagxamesi ayo, nabemi base-Tahanaki namagxamesi ayo, nabemi base-Megido namagxamesi ayo, ummandla onduli zintatû.

12 Babenge nakô onyana baka-Manase ukuyihlutâ lomizi; ama-Kanan akupîkela ukuma kwelozwe.

13 Kwatî, bakomelela onyana baka-Sirayeli, bawafaka uviko ama-Kanan, abawagqogqa kupêle.

14 Batêtâ onyana baka-Yosefu no-Yoshuwa, besitî, Yinina ukuba usinike ilifa laqashiso linye, nasabelo sinye, singabantu abaninzi-nje, esisikelele-nje u-Yehova kangakanana unangoku?

15 Watî u-Yoshuwa kubo, Ukuba ningabantu abaninzi, nyukani niye emahlatini, nizihlahlele ezweni lama-Perizi nelama-Rafa, xa kuxineneyo kuni ezintabeni zakwa-Efrayim.

16 Batî onyana baka-Yosefu, Ilizwe eli lentaba alisilingene; ke zinqwelo zesinyiti kuma-Kanan onke amiyo ezweni lamatâfa, ase-Beteshehan namagxamesi ayo, kwa nasematâfeni ase-Yizereli.

17 Watî u-Yoshuwa kwindlu ka-Yosefu, ku-Efrayim naku-Manase, Ningabantu abaninzi, ninamandla amakûlu; aliyi kuba linye iqashiso lenu;

18 Kuba elentaba liya kuba lelenu; ngokuba lingamahlatî, nowahlahla, inyele zawo zibe zezenu; kuba niya kuwagqogqa ama-Kanan, nakuba enenqwelo zesinyiti, nakuba omelele.

18 Labizelwa ndawonye lonke ibandla lakwa-Sirayeli e-Shilo; bayimisa kôna in-tente yokuhlangana. Leyiseka ilizwe pâmbî kwabo.

2 Kwasala pâkatî konyana baka-Sirayeli izizwe ezisixênxe, ezingabelwanga lifa lazo.

3 Watî u-Yoshuwa konyana baka-Sirayeli, Kode kube ninina nikunqena ukuya kulihlutâ elozwe aninikê lona u-Yehova, u-Tîxo woyihlo?

4 Kûpâni amadoda abe matâtû esizweni ngesizwe, ndiwatûme, asuke acande ezweni, alibâle ngokwamafa azo, aze abuyele kum,

5 Alabe libe zizabelo ezisixênxe. U-Yuda eme emdeni wakê ngase-Zantsi, indlu ka-Yosefu ime emdeni wayo ngase-Ntla.

6 Nina-ke nilibâle ilizwe lezabelo-ezo zisixênxe, niyizise ingxelo kum apâ, ndiniwisele amaqashiso pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wetû apâ.

7 Kuba aba-Levi abanasabelo pâkatî kwenu, kuba ilifa labo bubenzeleleli buka-Yehova; ke u-Gadi no-Ruben nesiqingatâ sesizwe sika-Manase sebelitâbatîle ilifa labo awabanika lona u-Moses, isicaka sika-Yehova pêsheya kwe-Yordan ngasempumalanga.

8 Asuka-ke amadoda lawo, ahambâ; u-Yoshuwa wabawisela umtêtô abo bahambâyo beya kulibâla ilizwe, esitî; Yiyani nilihambê ilizwe, nilibâle, nize nibuyele

Digitized by Google

kum, ndiniwisele amaqashiso pâmbî ko-Yehova e-Shilo apâ.

9 Aya-ke amadoda-lawo, acanda ezweni apô, alibâla ngokwemizi, ngokwezabelo ezisixênxe encwadini; eza-ke ku-Yoshuwa eminqubeni e-Shilo.

10 Waza u-Yoshuwa wawawisela amaqashiso e-Shilo pâmbî ko-Yehova; u-Yoshuwa wababela ilizwe onyana baka-Sirayeli kôna ngokwentlantlu zabo.

11 Kwavela iqashiso lesizwe sonyana baka-Benyamin ngokwemizalwane yabo: umda weqashiso labo wapûma pâkatî konyana baka-Yuda nonyana baka-Yosefu.

12 Umda wabo ngasecaleni lase-Ntla watâbatéla e-Yordan, wenyuka waya egxalabeni lase-Yeriko ngase-Ntla, wenyuka waya ezintabeni ngasentshonalanga; ukuma kwawo waya wema ngentlango yase-Betaven;

13 Wegqitâ umda kôna, waya e-Luzi, egxalabeni le-Luzi ngase-Zantsi: yi-Beteli ke-leyo; wehla umda waya e-Ataroti-adare, ngasezintabeni ezingase-Zantsi kwe-Bete-horon yasezantsi.

14 Wahlaba umda, wajika waya ecaleni lasentshonalanga ngase-Zantsi, usuka entabeni epâmbî kwe e-Bete-horon ngase-Zantsi; ukuma kwawo waya wema nge-Kiriyatibahali, yi-Kiriyati-yeharim ke-leyo, umzi wonyana baka-Yuda. Lilo elo icala lasentshonalanga.

15 Icala lase-Zantsi latâbatéla ekupêleni kwe-Kiriyati-yeharim: wapûma umda entshonalanga, wapûma waya emtônjeni wamanzi ase-Nefetowa;

16 Wehla umda waya ekupêleni kwentaba epâmbî komfula wonyana ka-Hinom, osentilini yama-Rafa ngase-Ntla; wehla ngomfula wakwa-Hinom, waya egxalabeni lama-Yebusi ngase-Zantsi, wehla waya e-En-rogele;

17 Wahlaba uvela e-Ntla, wapûma waya e-En-shemeshe, wapûma waya e-Geliloti emalunga nokunyuka kwe-Adumim, wehla waya etyeni lika-Bohan unyana ka-Ruben;

18 Wegqitâ waya egxalabeni, elimalunga ne-Araba e-Ntla, wehla waya e-Araba;

19 Wegqitâ umda, waya egxalabeni lase-Bete-hogela e-Ntla; ukuma komda waya wema ngecweba lolwandle lwe-Tyuwa, ekupêleni kwe-Yordan ngase-Zantsi; nguwo lowo umda wase-Zantsi.

20 I-Yordan ingumda walo ngecala lasempumalanga. Lilo ilifa lonyana baka-Benyamin ngokwemida yalo ngenxa zonke, ngokwemizalwane yabo.

21 Ke imizi yesizwe sonyana baka-Benyamin ngokwemizalwane yabo ibiyi-Yeriko, ne-Bete-hogela, nentili yase-Ketsitse,

22 Ne-Bete-araba, ne-Tsemarayim, ne-Beteli,

23 Ne-Avim, ne-Para, ne-Ofra,

24 Ne-Kefar-amoni, ne-Ofeni, ne-Gaba: imizi elishumi elinamibini ine-lali zayo.

25 I-Gibeyon, ne-Rama, ne-Beheroti,

26 Ne-Mitspe, ne-Kefira, ne-Motsa,

27 Ne-Rekem, ne-Irpeli, ne-Tarala,

28 Ne-Tsela, ne-Elefe, nowama-Yebusi: yi-Yerusalem ke-leyo; ne-Gibeha, ne-Kiriyati: imizi elishumi elinamibini ine-lali zayo. Lilo-ke elo ilifa lonyana baka-Benyamin ngokwemizalwane yabo.

19 Lavela iqashiso lesibini no-Simon, nesizwe sonyana baka-Simon ngokwemizalwane yabo; ilifa labo laba pâkatî kwelifa lonyana baka-Yuda.

2 Elifeni labo baba ne-Bersheba, ne-Sheba, ne-Mulada,

3 Ne-Hatsare-shuwali, ne-Bala, ne-Atsem,

4 Ne-Eletoladi, ne-Betuli, ne-Horma,

5 Ne-Tsikelage, ne-Bete-markaboti, ne-Hatsar-susa,

6 Ne-Bete-lebawoti, ne-Sharuhen: imizi elishumi elinamitâtû ine-lali zayo:

7 I-Ayin, ne-Rimon, ne-Etere, ne-Ashan; imizi emine ine-lali zayo,

8 Ne-lali zonke ezijikeleze lomizi, kwesa e-Bahalati-behere: yi-Rama yelase-Zantsi ke-leyo. Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Simon ngokwemizalwane yabo.

9 Laba sesabelweni sonyana baka-Yuda ilifa lonyana baka-Simon; ngokuba isabelo sonyana baka-Yuda sabagqitâ. Onyana baka-Simon babelwa ilifa pâkatî kwelifa labo.

10 Lavela iqashiso lesitâtû nonyana baka-Zebulon ngokwemizalwane yabo. Umda welifa labo wesa e-Saridi,

11 Wenyuka umda wabo wasinga entshonalanga, wesa e-Marala, wafikelela e-Dabesheti, wahlangana nomlanjana okângelene ne-Yokeneham;

12 Wabuya e-Saridi, wasinga empumalanga ngecala elipûm' ilanga, waya emdeni

Digitized by Google

we-Kiseloti-tabore, wapûma waya e-Daberati, wenyuka waya e-Yafiya;
13 Wegqitâ kôna, wasinga empumalanga ngecala elipûm' ilanga, waya e-Gati-hefere, e-Eti-katsin, wapûma waya e-Rimon, ehlaba iye e-Neha;
14 Umda wayizunguleza ngase-Ntla, waya e-Hanaton; ukuma kwawo wema ngomfula wase-Ifeta-eli;
15 Ne-Katati, ne-Nahalali, ne-Shimron, ne-Idala, ne-Betelehem: imizi elishumi elinamibini ine-lali zayo.
16 Lilo elo ilifa lonyana baka-Zebulon ngokwemizalwane yabo, lomizi ne-lali zayo.
17 Iqashiso lesine lavela no-Isakare nonyana baka-Isakare ngokwemizalwane yabo.
18 Umda wabo wasinga kwi-Yizereli, ne-Kesuloti, ne-Shunem,
19 Ne-Hafarayim, ne-Shihon, ne-Anaharati,
20 Ne-Rabiti, ne-Kishiyon, ne-Abetse,
21 Ne-Remeti, ne-En-ganim, ne-En-hada, ne-Bete-patsetse.
22 Umda wafikelela e-Tabore, nase-Shahatsima, nase-Bete-shemeshe, ukuma komda wabo waya wema nge-Yordan: imizi elishumi elinamitândatû ine-lali zayo.
23 Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Isakare ngokwemizalwane yabo, lomizi ne-lali zayo.

24 Lavela iqashiso lesihlanu nesizwe sonyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo.
25 Umda wabo wayi-Helekati, ne-Hali, ne-Beten, ne-Akeshafi,
26 Ne-Alameleki, ne-Amadi, ne-Mishali; wafikelela e-Karmele ngasentshonalanga, ne-Shihore-libenati;
27 Wabuya wasinga ngecala elipûm' ilanga e-Bete-dagon, wafikelela kwelakwa-Zebulon, nakumfula wase-Ifeta-eli, ngase-Ntla kwe-Bete-emeki, ne-Nehiyeli; wapûma waya e-Kabuli ngasekôhlo;
28 Ne-Hebron, ne-Rehobi, ne-Hamon, ne-Kana, wesa e-Tsidon enkulu;
29 Wabuya umda waya e-Rama, wesa emzini onqatyisiweyo oyi-Tire, wabuya umda waya e-Hosa; ukuma kwawo waya wema ngolwandle, ngasesabelweni sika-Akezibe;
30 Ne-Uma, ne-Afeki, ne-Rehobi: imizi emashumi mabini ananibini ine-lali zayo.
31 Lilo elo ilifa lonyana baka-Ashere ngokwemizalwane yabo, lomizi ne-lali zayo.

32 Lavela iqashiso lesitândatû nonyana baka-Nafetali, ilelonyana baka-Nafetali ngokwemizalwane yabo.
33 Umda wabo watâbatêla e-Helefe, emi-okeni yase-Tsahanayim, ne-Adami, ne-Kebe, ne-Yabeneli, wesa e-Lakum; nokuma kwawo wema nge-Yordan;
34 Wabuya umda, wasinga entshonalanga, e-Azenoti-tabore, wapûma kôna waya e-Hukoki, wafikelela kwelakwa-Zebulon ngase-Zantsi, wafikelela kwelakwa-Ashere ngasentshonalanga, nelakwa-Yuda e-Yordan ngasempûmalanga.
35 Imizi enqatyisiweyo yaba yi-Tsidim, ne-Tsere, ne-Hamati, ne-Rakati, ne-Kinerete,
36 Ne-Adama, ne-Rama, ne-Hatsore,
37 Ne-Kedeshe, ne-Edreyi, ne-En-hatsore,
38 Ne-Iron, ne-Migdali-eli, ne-Horem, ne-Bete-anati, ne-Bete-shemeshe: imizi elishumi elinesitôba ine-lali zayo.
39 Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Nafetali ngokwemizalwane yabo, lomizi ne-lali zayo.

40 Lavela iqashiso lesixênxe nesizwe sonyana baka-Dan ngokwemizalwane yabo.
41 Umda welifa labo wayi-Tsora, ne-Eshtawoli, ne-Ire-shemeshe,
42 Ne-Shahalabin, ne-Ayalon, ne-Itela,
43 Ne-Elon, ne-Timnata, ne-Ekron,
44 Ne-Eleteke, ne-Gibeton, ne-Bahalata,
45 Ne-Yehudi, ne-Bene-beraki, ne-Gatirimon,
46 Ne-Me-yarkon, ne-Rakon, kunye nomda omalunga ne-Yafo.[1]
47 Umda wonyana baka-Dan wema ngayo. Benyuka-ke onyana baka-Dan, baya kulwa ne-Leshem, bayitîmbâ, bayibulala ngohlangotî lwefele, bayihlutâ, bema kuyo, bati ukuyibiza i-Leshem kukwa-Dan, ngegama lika-Dan uyise.
48 Lilo elo ilifa lesizwe sonyana baka-Dan ngokwemizalwane yabo, lomizi inelali zayo.

49 Bagqiba-ke ukulaba ilizwe ngokwemida yabo. Onyana baka-Sirayeli bamnika u-Yoshuwa, unyana ka-Nun, ilifa pâkatî kwabo.

[1] I-Yopa kwi-Test. entsha.

Digitized by Google

50 Ngokomlomo ka-Yehova bamnika umzi awawubizayo, i-Timnati-sera ekwelentaba lakwa-Efrayim; wawakâ lomzi, wahlala kuwo.

51 Ngawo lawo amafa abawabayo o-Elazare umenzeleleli, no-Yoshuwa unyana ka-Nun, nentloko zezindlu zoyise ezizweni zonyana baka-Sirayeli, ngamaqashiso e-Shilo pâmbî ko-Yehova, emnyango wentente yokuhlangana. Bagqiba-ke ukulaba ilizwe.

•

20 Watêtâ u-Yehova ku-Yoshuwa, esitî,

2 Têtâ konyana baka-Sirayeli, utî, Zimiseleni imizi yokusabela, endatêtâ ngayo kuni ngo-Moses,

3 Ukuba abalekele kuyo umbulali obulele umntu ngengozi engazi, ibe zindawo zenu enobalekela kuzo ukusaba umpîndezeleli wegazi;

4 Abalekele komnye walomizi, eme ekungeneni kwesango lomzi, awatêtê ezindlebeni zamadoda amakûlu alomzi amazwi akê; amamkelele kulomzi abe kuwo, amnike indawo, ukuba ahlale nawo.

5 Atî, xenikweni umpîndezeleli wegazi amsukelayo, angamnikeli umbulali esandleni sakê, ngokuba wambulala uwabo, engazi ebengamtîyile ngapâmbili;

6 Ahlale kulomzi ade eme pâmbî kwebandla, litêtŵe ityala lakê, ade afe umenzeleleli omkûlu oya kubakô ngezomini, andule umbulali ukubuyela emzini wakowabo, nasendlwini yakê, emzini abebaleke ekuwo.

7 Bangcwalisa-ke i-Kedeshe e-Galili, ekwelentaba lakwa-Nafetali, nelakwa-Shekem kwelentaba lakwa-Efrayim, ne-Kiriyati ka-Arba, ngowase-Hebron ke-lowo, kwalentaba lakwa-Yuda.

8 Napêsheya kwe-Yordan malunga ne-Yeriko ngasempumalanga, bamisa i-Betsere entlango, etâfeni, esizweni sakwa-Ruben, ne-Ramoti kwelase-Giliyadi, esizweni sakwa-Gadi, ne-Golam e-Bashan esizweni sakwa-Manase.

9 Yiyo leyo imizi eyamiselwa bonke onyana baka-Sirayeli, nowasemzini opâmbûkela pâkatî kwabo, ukuba babalekele kuyo bonke abantu ababulele umntu ngengozi, ukuba bangafi sisandla sompîndezeleli wegazi, bade beme pâmbî kwebandla.

21 Zasondela intloko zezindlu zoyise zakwa-Levi ku-Elazare umenzeleleli, naku-Yoshuwa unyana ka-Nun, nakwintloko zezindlu zoyise zezizwe zonyana baka-Sirayeli;

2 Zatêtâ kubo e-Shilo ezweni lakwa-Kanan, zisitî, U-Yehova wawisa umtêtô ngesandla sika-Moses, ukuba sinikwe imizi yokuhlala namadlelo ayo enkomo zetû.

3 Onyana baka-Sirayeli babanika aba-Levi elifeni labo, ngokomlomo ka-Yehova, lemizi namadlelo ayo.

4 Lapûma iqashiso nemizalwane yama-Kehati; yaba yeyonyana baka-Aron umenzeleleli abangaba-Levi, esizweni sakwa-Yuda, nasesizweni sakwa-Simon, nasesizweni sakwa-Benyamin, imizi elishumi elinamitâtû ngeqashiso elo.

5 Abanye onyana baka-Kehati bafumana ngeqashiso imizi elishumi emizalwaneni yesizwe sakwa-Efrayim, nasesizweni sakwa-Dan, nasesiqingatêni sesizwe sakwa-Manase.

6 Onyana baka-Gershon bafumana ngeqashiso imizi elishumi elinamitâtû emizalwaneni yesizwe sakwa-Isakare, nasesizweni sakwa-Ashere, nasesizweni sakwa-Nafetali nasesiqingatêni sesizwe sakwa-Manase e-Bashan.

7 Onyana baka-Merari, ngokwemizalwane yabo, bafumana imizi elishumi elinamibini esizweni sakwa-Ruben, nasesizweni sakwa-Gadi, nasesizweni sakwa-Zebulon.

8 Onyana baka-Sirayeli babanika aba-Levi ngeqashiso lomizi namadlelo ayo, njengoko u-Yehova wawisayo umtêtô ngesandla sika-Moses.

9 Babanika esizweni sonyana baka-Yuda, nasesizweni sonyana baka-Simon, yona lemizi ibizwa ngegama layo:

10 Yaba yeyonyana baka-Aron emizalwaneni yama-Kehati, konyana baka-Levi; ngokuba laba lelabo iqashiso lokuqala.

11 Babanika umzi ka-Arba uyise ka-Anaki, ngowase-Hebron ke-lowo, ezintabeni zakwa-Yuda, namadlelo ayo ngenxa zonke.

12 Ke amasimi alomzi, ne-lali zawo, bawanika u-Kalebi unyana ka-Yefune ukuba abe ngawakê.

Digitized by Google

13 Onyana baka-Aron umenzeleleli babanika owase-Hebron nedlelo lawo, umzi-ke wokusabela umbulali, ne-Libena nedlelo layo,
14 Ne-Yatire nedlelo layo, ne-Eshtemowa nedlelo layo,
15 Ne-Holon nedlelo layo, ne-Debiri nedlelo layo,
16 Ne-Ayin nedlelo layo, ne-Yuta nedlelo layo, ne-Bete-shemeshe nedlelo layo: imizi esitôba kwezozizwe zibini.
17 Nasesizweni sakwa-Benyamin i-Gibeyon nedlelo layo, ne-Geba nedlelo layo;
18 I-Anatoti nedlelo layo, ne-Alemon nedlelo layo: imizi emine.
19 Iyonke imizi yonyana baka-Aron, abenzeleleli, yaba yimizi elishumi elinamitâtû namadlelo ayo.

20 Imizalwane yonyana baka-Kehati, yaba-Levi abaseleyo konyana baka-Kehati, yafumana imizi yeqashiso layo esizweni sakwa-Efrayim;
21 Babanika owakwa-Shekem nedlelo lawo okwelentaba lakwa-Efrayim, umzi-ke wokusabela umbulali, ne-Gezere nedlelo layo,
22 Ne-Kibetsayim nedlelo layo, ne-Bete-horon nedlelo layo: imizi emine.
23 Esizweni sakwa-Dan i-Eleteke nedlelo layo, ne-Gibeton nedlelo layo,
24 Ne-Ayalon nedlelo layo, ne-Gati-rimon nedlelo layo: imizi emine.
25 Esiqingatèni sesizwe sakwa-Manase i-Tahanaki nedlelo layo, ne-Gati-rimon nedlelo layo: imizi emibini.
26 Iyonke imizi yaba lishumi namadlelo ayo, ngokwemizalwane yonyana baka-Kehati abaseleyo.

27 *Babanika* onyana baka-Gershon emizalwaneni yaba-Levi, esiqingatèni sesizwe sakwa-Manase, i-Golan e-Bashan nedlelo layo, umzi-ke wokusabela umbulali ne-Beheshtera nedlelo layo: imizi emibini.
28 Esizweni sakwa-Isakare i-Kishon nedlelo layo, ne-Daberati nedlelo layo,
29 Ne-Yarmuti nedlelo layo, ne-En-ganim nedlelo layo: imizi emine.
30 Esizweni sakwa-Ashere i-Mishali nedlelo layo, ne-Abedon nedlelo layo;
31 Ne-Helekati nedlelo layo, ne-Rehobi nedlelo layo: imizi emine;
32 Esizweni sakwa-Nafetali i-Kedeshe kwelase-Galili nedlelo layo, umzi-ke wokusabela umbulali, i-Hamoti-dore nedlelo layo, i-Kartan nedlelo layo: imizi emitâtû.
33 Iyonke imizi yama-Gershon, ngokwemizalwane yakè, yaba yimizi elishumi elinamitâtû namadlelo ayo.

34 Bayinika imizalwane yonyana baka-Merari, yaba-Levi abaseleyo, esizweni sakwa-Zebulon, i-Yokeneham nedlelo layo, ne-Karta nedlelo layo,
35 Ne-Dimna nedlelo layo, ne-Nahalali nedlelo layo: imizi emine;
36 Esizweni sakwa-Ruben i-Betsere nedlelo layo, ne-Yahatsa nedlelo layo,
37 Ne-Kedemoti nedlelo layo, ne-Mefahati nedlelo layo: imizi emine;
38 Esizweni sakwa-Gadi i-Ramoti kwelase-Giliyadi nedlelo layo, umzi-ke wokusabela umbulali, ne-Mahanayim nedlelo layo,
39 Ne-Heshbon nedlelo layo, ne-Yazere nedlelo layo: iyonke lomizi mine.
40 Iyonke imizi yonyana baka-Merari ngokwemizalwane yabo eseleyo, emizalwaneni yaba-Levi, iqashiso labo laba yimizi elishumi elinamibini.

41 Iyonke imizi yaba-Levi pâkatî kwelifa lonyana baka-Sirayeli yaba yimizi engamashumi mane anesibózo, namadlelo ayo.
42 Yonke lomizi ngaminye yaba nedlelo layo ngenxa zonke; kwaba njalo kulomizi yonke.

43 U-Yehova wawanika-ke ama-Sirayeli lonke ilizwe, abelifungele oyise ukuba wobanika; alihlutâ ahlala kulo.
44 U-Yehova wawapûmza ngenxa zonke, njengako konke awabafungelayo oyise; akwabikô mntu ezintshabeni zawo zonke umayo pâmbî kwawo. Zonke intshaba zawo u-Yehova wazinikela esandleni sawo.
45 Akuwanga zwi pântsi emazwini onke alungileyo, awawatêtâyo u-Yehova kwindlu ka-Sirayeli; enzeka onke.

22 Wandula u-Yoshuwa ukuwabiza ama-Ruben, nama-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase,
2 Watî kuwo, Nikugcinile konke, u-Moses isicaka sika-Yehova abeniwisele ngako umtêtô, nalipûlapûla izwi lam ezintweni zonke endiniwisele umtêtô ngazo.
3 Anibashiyanga abazalwana benu ezi-

Digitized by Google

mini zininzi unanamhla; ke nisigcinile isigxina somtêtô ka-Yehova u-Tixo wenu.

4 Kaloku u-Yehova u-Tixo wenu ubapûmzile abazalwana benu, njengoko watêtâyo kubo; kaloku-ke jikani, niye ezintenteni zenu, ezweni lelifa lenu, abeninike lona u-Moses isicaka sika-Yehova pesheya kwe-Yordan.

5 Kodwa gcinani kunene ukuba niwenze umtêtô nomyalelo awaniwiselayo u-Moses isicaka sika-Yehova, wokuba nimtânde u-Yehova u-Tixo wenu, nihambê ngendlela zakê zonke, niyigcine imitêtô yakê, ninamatêle kuye, nimkônze ngentliziyo yenu yonke nangompêfumlo wenu wonke.

6 Wabasikelela u-Yoshuwa, wabanduluła; baya-ke ezin-tenteni zabo.

7 U-Moses ebesinikile *ilifa* isiqingatâ sesizwe sakwa-Manase e-Bashan, esinye isiqingatâ saso u-Yoshuwa wasinika kunye nabazalwana baso nganeno kwe-Yordan, ngasentshonalanga. Kananjalo xenikweni u-Yoshuwa wasindululela ezin-tenteni zaso, wasisikelela naso.

8 Watî kuso, Buyelani ezin-tenteni zenu, ninobutyebi obukûlu, ninengqwebo eninzi kunene, ne-silvere, ne-golide, nobêdu, nesinyiti, nengubo ezininzi kunene. Yabelanani nabazalwana benu ngamaxôba entshaba zenu.

9 Babuya-ke onyana baka-Ruben, nonyana baka-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sonyana baka-Manase, besuka konyana baka-Sirayeli e-Shilo esezweni lakwa-Kanan, ukuba baye ezweni lase-Giliyadi, ezweni lelifa labo, abebelizuzile ngokomlomo ka-Yehova ngesandla sika-Moses.

10 Bafika emimandleni yase-Yordan, esezweni lakwa-Kanan. Onyana baka-Ruben nonyana baka-Gadi nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase bakâ kôna isibingelelo ngase-Yordan, isibingelelo esikûlu esibonakalayo.

11 Beva-ke onyana baka-Sirayeli, kusitiwa, Yabonani, onyana baka-Ruben nonyana baka-Gadi nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase bakê isibingelelo malunga nelizwe lakwa-Kanan, emimandleni yase-Yordan, ngecala elingapêsheya konyana baka-Sirayeli.

12 Beva-ke onyana baka-Sirayeli, balibizela ndawo-nye lonke ibandla lonyana baka-Sirayeli e-Shilo, ukuba kunyukwe kuyiwe kubo kuliwe nabo.

13 Onyana baka-Sirayeli batûma u-Pinehasi unyana ka-Elazare umenzeleleli konyana baka-Ruben, nakonyana baka-Gadi, nakwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, elizweni lase-Giliyadi,

14 Enezikûlu ezilishumi, sasinye isikûlu, sasinye isikûlu endlwini yoyise ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, zingamadoda azintloko zezindlu zoyise emawakeni akwa-Sirayeli.

15 Baya-ke konyana baka-Ruben, nakonyana baka-Gadi, nakwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, ezweni lase-Giliyadi, batêtâ kubo, besitî,

16 Litsho lonke ibandla lika-Yehova, ukutî, Bumenemene bunina obu nimeneza ngabo ku-Tixo ka-Sirayeli, nibuyanje namhla ekumlandeleni u-Yehova, ngokuzakêla isibingelelo, ukuba nigwilike ku-Yehova namhla?

17 Yinto encinane-na kuti ubugwenxa buka-Pehore, esingekazihlambûluli kubo unanamhla, saza isibetô saba sebandleni lika-Yehova,

18 Nina nibuya-nje namhla ekumlandeleni u-Yehova? Kotî, nigwilike ku-Yehova nina namhla, ngomso abe nobufalafume yena kwibandla lonke lakwa-Sirayeli.

19 Inene, ukuba nitî liyinqambî ilizwe lelifa lenu, welani nize ezweni lelifa lika-Yehova, apô umnquba ka-Yehova ukôna, nime pâkatî kwetû. Ke musan' ukugwilika ku-Yehova, musan' ukugwilika kutî ngokuzakêla isibingelelo esingesiso isibingelelo sika-Yehova u-Tixo wetû.

20 Akumenezanga yinina u-Akan unyana ka-Zera ngobumenemene entweni esingelwe pântsi, kwaza kwabakô ubufalafume pezu kwebandla lonke lama-Sirayeli? Lomntu mnye akatshabalalanga yedwa ngobugwenxa bakê.

21 Bapêndula onyana baka-Ruben, nonyana baka-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sonyana baka-Manase, batêtâ nentloko zamawaka akwa-Sirayeli, batî,

22 U-Tixo, u-Tixo u-Yehova, u-Tixo, u-Tixo u-Yehova uyazi, ama-Sirayeli ayakwazi, ukuba oko *kwenziwe* ngokugwilikana, nangokumeneza ku-Yehova;

Digitized by Google

23 Uz'ungasisindisi namhla-nje, ukuba sizakêle isibingelelo sokusibuyisa ekulandeleni u-Yehova, nokuba simyusa pêzu kwaso idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, nokuba senzele pêzu kwaso imibingelelo yoxolo: u-Yehova ngokwakê makakubuze oko.

24 Inene, *siyenzē lento* ngesitûkutezi, ngetûba lokutî, Ngexesha elizayo botî onyana benu konyana betû, Yinto-nina enani no-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli?

25 U-Yehova umisē umda oyi-Yordan pâkatî kwetû nani, nyana baka-Ruben, nyana baka-Gadi; aninasabelo ku-Yehova nina; onyana benu benze ukuba onyana betû bayeke ukumoyika u-Yehova.

26 Sitê-ke, Makê sizenzele, sizakêle isibingelelo, singesadini linyukayo, singesambingelelo,

27 Sibe linqîna pâkatî kwetû nanî, napâkatî kwezizukulwana zetû emva kwetû, ukuba sisebenze umsebenzi ka-Yehova pâmbî kwakê ngamadini etû anyukayo, nangemibingelelo yetû, nangemibingelelo yetû yoxolo; ukuze bangatsho onyana benu ngexesha elizayo konyana betû, ukutî, Aninasabelo ku-Yehova nina.

28 'Satî-ke, Kotî, xa batê batsho kutî nakwizizukulwana zetû ngexesha elizayo, sibe nakô ukutî, Kângelani isilinganiso sesibingelelo sika-Yehova abasenzayo obawo, singesadini linyukayo, singesambingelelo, silinqîna pâkatî kwetû nani.

29 Makube le kutî ngenxa yakê ukuba sigwilike ku-Yehova, sibuye namhla ekumlandeleni u-Yehova, silakêle isibingelelo idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, nombingelelo, esingesiso isibingelelo sika-Yehova u-Tîxo wetû, esipâmbî komnquba wakê.

30 Amazwi abawatêtâyo onyana baka-Ruben, nonyana baka-Gadi, nonyana baka-Manase, waweva u-Pinehas umenzeleleli, nezikûlu zebandla, nentloko zamawaka akwa-Sirayeli ezazinaye, alunga emehlweni abo.

31 Watî-ke u-Pinehas unyana ka-Elazare, umenzeleleli, konyana baka-Ruben, nakonyana baka-Gadi, nakonyana baka-Manase, Namhla siyazi ukuba u-Yehova upâkatî kwetû, ngokuba ningabenzanga obobumenemene ku-Yehova. Ngalento nibahlangule onyana baka-Sirayeli esandleni sika-Yehova.

32 Wabuya-ke u-Pinehas unyana ka-Elazare, umenzeleleli, nezikûlu-ezo konyana baka-Ruben, nakonyana baka-Gadi, ezweni lase-Giliyadi, beza ezweni lakwa-Kanan, konyana baka-Sirayeli, bebabuyisela ilizwi.

33 Ilizwi-elo lalunga emehlweni onyana baka-Sirayeli. Onyana baka-Sirayeli bambonga u-Tîxo, ababi satêtâ ngokunyuka baye kubo ngobumpi, balitshabalalise ilizwe abahleli kulo onyana baka-Ruben nonyana baka-Gadi.

34 Onyana baka-Ruben nonyana baka-Gadi basibiza isibingelelo ngokuti, Linqîna pâkatî kwetû ukuba u-Yehova unguye u-Tîxo.

23 Kwatî, kwakuba yimihla eminingi, emveni kokuba u-Yehova ewapûmzile ama-Sirayeli ezintshabeni zawo zonke ngenxa zonke, u-Yoshuwa esele yindoda enkulu, ekûlile,

2 Wawabiza u-Yoshuwa onke ama-Sirayeli, amadoda awo amakûlu, nentloko zawo, nabagwebi bawo, nababâli bawo, watî kubo, Mna sendimdala, ndikûlile;

3 Nina nikubonile konke abekwenzile u-Yehova u-Tîxo wenu kwezontlanga zonke ngenxa yenu; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wenu nguye onilweleyo.

4 Kângelani, ndinabele ngamaqashiso nezintlanga zisaseleyo, ukuba zibe lilifa lezizwe zenu, zitâbatêla e-Yordan, kunye nentlanga zonke endizinqumleyo, zesa kulwandle olukûlu ngasekutshoneni kwelanga.

5 Ngu-Yehova u-Tîxo wenu oya kuzigxotâ ebusweni benu, azigqogqe pâmbî kwenu, nilihlutê ilizwe lazo, njengoko watêtâyo kuni u-Yehova u-Tîxo wenu.

6 Yomelelani kunene, ukuze nigcine nenze konke okubâliweyo encwadini yomyalelo ka-Moses, ukuze ningasuki kuwo, nityekele ekunene nasekôhlo;

7 Ukuze ningadibani nezintlanga ziseleyo, ezi-ke zinani, ningalikânkanyi igama lotîxo bazo, ningabafungi, ningabakônzi, ningaqubudi kubo;

8 Ize ninamatêle ku-Yehova u-Tîxo wenu, njengoko nikwenzileyo unanamhla.

9 U-Yehova wazigqogqa ebusweni benu intlanga ezinkulu ezinamandla; ke nina akumanga mntu pâmbî kwenu unanamhla;

10 Indoda inye kuni isukele iwaka;

Digitized by Google

ngokuba u-Yehova u-Tixo wenu nguye onilwelayo, njengoko wakutêtâyo kuni.

11 Zigcineni kunene ngenxa yemipêfumlo yenu, ukuba nimtânde u-Yehova u-Tixo wenu.

12 Kuba ukuba nitê nabuya nabuya, nanamatêla kumaqongqolo ezintlanga ziseleyo, ezi-ke zinani, nendiselana nazo, nadibana nazo, zadibana nani:

13 Yazini kakuhle, ukuba u-Yehova u-Tixo wenu akayi kupinda azigqogqe ezintlanga pâmbi kwenu; zoba zibata nemigibe kuni, neziniya emacaleni enu, noviko emehlweni enu, nide nicinywe kulomhlaba ulungileyo, aninikileyo u-Yehova u-Tixo wenu.

14 Namhla ndihambâ ngendlela yoluntu lonke; niyazi ngentliziyo yenu yonke nangompêfumlo wenu wonke, ukuba akuwanga pântsi nalinye ilizwi emazwini onke alungileyo, abewatêtile u-Yehova u-Tixo wenu ngani; onke enzekile kuni, akuwanga pântsi nalinye ilizwi kuwo.

15 Kotî, njengoko lenzekayo kuni lonke ilizwi elilungileyo, abelitêtile u-Yehova u-Tixo wenu kuni: enje njalo ukulenza kuni lonke ilizwi elibi, ade anitshabalalise kulomhlaba ulungileyo, aninikileyo u-Yehova u-Tixo wenu.

16 Ekugwugqitêni umnqopiso ka-Yehova u-Tixo wenu, aniwisele wona, naya nakônza tixo bambî, naqubuda kubo: wovutâ umsindo ka-Yehova kuni, nicinywe kamsinya emhlabeni olungileyo aninikileyo.

24 Wazihlanganisa u-Yoshuwa zonke izizwe zakwa-Sirayeli kwa-Shekem, wawabiza amadoda amakûlu ama-Sirayeli, nentloko zawo, nabagwebi bawo, nababâli bawo; bazimisa pâmbî ko-Tixo.

2 Wati u-Yoshuwa kubo bonke abantu, Utsho u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Oyihlo babehleli pêsheya kom-Lambô kususela kwapâkade, o-Tera uyise ka-Abraham, uyise ka-Nahore, babekônza tixo bambî.

3 Ndamtâbatâ uyihlo u-Abraham pêsheya kom-Lambô, ndamhambîsa ezweni lonke lakwa-Kanan, ndayandisa imbêwu yakê, ndamnika u-Isake.

4 U-Isake ndamnika u-Yakobi no-Esau; u-Esau ndamnika intaba zakwa-Sehire, ukuba azime; ke u-Yakobi nonyana bakê behla baya e-Yiputa.

5 Ndatûma u-Moses no-Aron, ndayihlisela izibetô i-Yiputa, njengoko ndenzayo pâkatî kwayo; emveni koko ndanikûpâ.

6 Ndabakûpâ oyihlo e-Yiputa, nafika elwandle; ama-Yiputa abasukela oyihlo ngenqwelo zokulwa nangabamahashe, beza ku-Lwandle olubomvu.

7 Bakâla ku-Yehova; wabeka isitôkotôko pâkatî kwenu nama-Yiputa, wawazisela ulwandle, wawagubungela; amehlo enu akubona oko ndakwenzayo e-Yiputa; nahlala entlango imihla emininzi.

8 Ndaningenisa ezweni lama-Amori, abehleli pêsheya kwe-Yordan, alwa nani; ndawanikela esandleni senu, nalihlutâ ilizwe lawo; ndawatshabalalisa pâmbî kwenu.

9 Wesuka u-Balaki unyana ka-Tsipore, ukumkani wakwa-Mowabi, walwa nama-Sirayeli; watûma wabiza u-Bileham unyana ka-Behore, ukuba aniqalekise.

10 Andavuma ukumpûlapûla u-Bileham; wanisikelela akayeka, ndanihlangula esandleni sake.

11 Nayiwela i-Yordan, nafika e-Yeriko; balwa nani abemi base-Yeriko, ama-Amori, nama-Perizi, nama-Kanan, nama-Heti, nama-Girgashi, nama-Hivi, nama-Yebusi, ndabanikela esandleni senu.

12 Ndatûma onomeva pâmbî kwenu, babagxotâ pâmbî kwenu okumkani ababini bama-Amori, kunge ngarele lakô, kunge ngasapêta sakô.

13 Ndaninika ilizwe eningaxâmlekanga ngalo, nemizi eningayakânga, nahlala-ke kuyo; nezi-diliya nezinquma eningazityalanga niyazidla-ke.

14 Moyikeni-ke ngoko u-Yehova nimkônze ngokugqibeleleyo nangenyaniso. Susani otîxo, ababekônza bona oyihlo pêsheya kom-Lambo, nase-Yiputa, nimkônzeke u-Yehova.

15 Ke ukuba kubi emehlweni enu ukumkônza u-Yehova, zinyuleleni namhla oyena niya kumkônza; nokuba ngotîxo, ababekônza bona oyihlo, ababe pêsheya kom-Lambo, nokuba ngotîxo bama-Amori, enihleli ezweni lawo. Ke mna nendlu yam siya kukônza u-Yehova.

16 Bapêndula abantu, batî, Makube lê kutî ukumshiya u-Yehova, sikônze tîxo bambî.

Digitized by Google

17 Kuba u-Yehova u-Tíxo wetû nguye osinyusileyo tína nobawo betû ezweni lase-Yiputa, endlwini yamakóboka; owayenzela emehlweni etû lomiqondiso mikûlu, wasigcina endleleni yonke esahambá ngayo, nasezizweni zonke esacanda pákatí kwazo;

18 Waza wazigxotá u-Yehova zonke izizwe, nama-Amori abehleli kwelozwe pámbí kwetû. Nati siya kukónza u-Yehova; kuba ngu-Tíxo wetû.

19 Watí u-Yoshuwa kubo abantu, Aninakumkónza u-Yehova; ngokuba ngu-Tíxo oyingcwele, ngu-Tíxo onekŵele; akayi kuzitŵala iziŕeqo zenu nezono zenu.

20 Xa nitê namshiya u-Yehova, nakónza otíxo bolunye uhlanga: wojika anenzele ububi, anigqibele emveni kokuba enenzele okuhle.

21 Batí abantu ku-Yoshuwa, Hayi; siya kukónza u-Yehova tína.

22 Watí u-Yoshuwa kubo abantu, Ningamanqína kwangani, ukuba nina nizinyulele u-Yehova ukuba nimkónze. Bati, Singamanqína.

23 Watí, Basuseni ngoko otíxo bolunye uhlanga abapákatí kwenu, nimtóbele ngentliziyo zenu u-Yehova u-Tíxo ka-Sirayeli.

24 Batí abantu ku-Yoshuwa, Siya kukónza u-Yehova u-Tíxo wetû, silipûlapûle ilizwi lakê.

25 U-Yoshuwa wenza-ke umnqopíso nabantu ngalomhla; wabamisela imimiselo namasiko kwa-Shekem.

26 Wawabála u-Yoshuwa lamazwi encwadini yomyalelo ka-Tíxo; watábatá ilitye elikûlu, walimisa kóna pántsi komoki osendaweni engcwele ka-Yehova.

27 Watí u-Yoshuwa kubo bonke abantu, Yabonani, elilitye liya kuba linqína ngatí; ngokuba liwavile lona onke amazwi ka-Yehova, awatétíleyo natí; libe linqína ngani, hleze nimkânyele u-Tíxo wenu.

28 Wabandulula-ke u-Yoshuwa abantu; elowo waya elifeni lakê.

29 Kwatí emveni koko, wafa u-Yoshuwa unyana ka-Nun, isicaka sika-Yehova, eminyaka ilikûlu elinashumi-nye ezelwe.

30 Bamncŵabela emdeni welifa lakê, e-Timnati-sera, kwelentaba lakwa-Efrayim, e-Ntla kwentaba yase-Gahashe.

31 Ama-Sirayeli amkónza u-Yehova yonke imihla ka-Yoshuwa, nemíhla yonke yamadoda amakûlu awasalayo ku-Yoshuwa, abewazi wonke umsebenzi ka-Yehova abewenzele ama-Sirayeli.

32 Amatâmbó ka-Yosefu, ababenyuke nawo e-Yiputa onyana baka-Sirayeli, bawancŵabela kwa-Shekem, kwisiziba somhlaba awasitengayo u-Yakobi konyana baka-Hamore uso-Shekem ngekûlu le-silivere; saba lilifa lonyana baka-Yosefu.

33 No-Elazare unyana ka-Aron wafa; bamncŵabela endulini ka-Pinehasi, unyana wakê, awayinikwayo kwelentaba lakwa-Efrayim.

INCWADI YABAGWEBI.

ISIQENDU I.

KWATÍ emva kokufa kuka-Yoshuwa, babuza onyana baka-Sirayeli ku-Yehova, besitÍ, Ngubanina oya kusiqalela ukunyuka aye kuma-Kanan, alwe nawo.

2 Watí u-Yehova, Konyuka u-Yuda; yabonani, ndilinikele ilizwe esandleni, sakê.

3 Watí u-Yuda ku-Simon umkûluwa wakê, Nyuka nam, siye eqashisweni lam silwe nama-Kanan; nam ndoya nawe eqashisweni lakô. U-Simon wahambá naye-ke.

4 Wenyuka-ke u-Yuda; u-Yehova wawanikela ama-Kanan nama-Perizi esandleni sabo. Bawabulala e-Bezeki amadoda angamawaka alishumi.

5 U-Adoni wase-Bezeki, bamfumana e-Bezeki, balwa naye, bawabulala ama-Kanan nama-Perizi.

Digitized by Google

6 Wasaba u-Adoni wase-Bezeki; bamsukela, bambambå, bamnqumla ozitûpa nobôntsi.

7 Watî u-Adoni wase-Bezeki, Okumkani abamashumi asixênxe babecôla pântsi kwe-tafile yam, benqunyulwe ozitûpa nobôntsi; njengoko ndenza ngako, wenje njalo u-Tixo ukubuyekeza kum. Bamsa e-Yerusalem, wafela kôna.

8 Kekaloku onyana baka-Yuda balwa ne-Yerusalem, bayitîmbå, bayibulala ngohlangotî lweřele, batî umzi bawufaka umlilo.

9 Behla emveni koko onyana baka-Yuda, baya kulwa nama-Kanan abehleli kwelentaba, nakwelase-Zantsi, nakwelentlambô.

10 Waya u-Yuda kuma-Kanan abehleli e-Hebron; igama le-Hebron ngenx' engapâmbîli beliyi-Kiriyati ka-Arba; babulala u-Sheshayi, no-Ahiman, no-Talemayi.

11 Wesuka kôna waya kubemi base-Debiri; igama le-Debiri ngenx' engapâmbîli beliyi-Kiriyati-sefere.

12 Wati u-Kalebi, Ote wayingenela i-Kiriyati-sefere, wayitîmbå: ndomnika intombî yam u-Akesa ibe ngumkakê.

13 Wayitîmbå u-Oteniyeli unyana ka-Kenazi, umninawa ka-Kalebi; wamnikake u-Akesa intombî yakê, yangumkakê.

14 Kwatî ekuzeni kwayo, yamvuselela ukuba acele umhlaba kuyise wayo; yehla e-esileni layo. Watî u-Kalebi kuyo, Yinto-nina?

15 Yatî kuye, Ndinike into; ngokuba undinike umhlaba ongenamanzi, ndinike nemitômbô yamanzi. U-Kalebi wayinika-ke imitômbô yasentla nemitômbô yasezantsi.

16 Onyana bom-Keni, uyise womka-Moses, benyuka emzini wamasundu nonyana baka-Yuda, baya kwintlango yakwa-Yuda, engase-Zantsi kwe-Arade, baya bahlala nabantu abo.

17 Waya u-Yuda no-Simon umkûluwa wakê, bawabulala ama-Kanan abehleli e-Tsefati, bayitshabalalisa. Kwatîwa igama lalomzi yi-Horma.

18 U-Yuda wayitîmbå i-Gaza nommandla wayo, ne-Ashkelon nommandla wayo, ne-Ekron nommandla wayo.

19 U-Yehova waye no-Yuda, wabagqogqa abentaba; kodwa ebenge nakô ukubagqogqa abemi bentili, ngokuba bebe nenqwelo zesinyiti.

20 Bamnika u-Kalebi owase-Hebron, njengoko watêtâyo u-Moses; wabagqogqa apô onyana bobatâtû baka-Anaki.

21 Ke ama-Yebusi, abehleli e-Yerusalem, abawagqogqanga onyana baka-Benyamin. Ahleli ama-Yebusi nonyana baka-Benyamin e-Yerusalem unanamhla.

22 Indlu ka-Yosefu yenyuka nayo, yaya kuyingenela i-Beteli; u-Yehova waye nayo.

23 Indlu ka-Yosefu yayihlola i-Beteli; ke igama lalomzi ngenx' engapâmbîli beliyi-Luzi.

24 Intlola ezo zambona umntu epûma kulomzi, zatî kuye, Kâusibonise itûba lokungena kulomzi, sokwenzela inceba.

25 Wazibonisa itûba lokungena kulomzi; zawubulala umzi ngohlangotî lweřele; bamndulula lomntu nemizalwane yakê yonke.

26 Waya lomntu ezweni lama-Heti, wakâ umzi, watî igama lawo yi-Luzi; ligama lawo unanamhla.

27 U-Manase akayigqogqanga i-Beteshehan namagxamesi ayo, ne-Tahanaki namagxamesi ayo, nabemi base-Dore namagxamesi ayo, nabemi base-Iblam namagxamesi ayo, nabemi base-Megido namagxamesi ayo; ke, ama-Kanan apîkela ukuhlala kwelozwe.

28 Kwatî, akomelela ama-Sirayeli, awafaka uviko ama-Kanan, akawagqogqa awagqibe.

29 U-Efrayim akawagqogqanga ama-Kanan abemi e-Gezere; ahlala ama-Kanan pâkatî kwake e-Gezere.

30 U-Zebulon akabagqogqanga abemi base-Kitron nabemi base-Nahaloli; ahlala ama-Kanan pâkatî kwakê, afakwa uviko.

31 U-Ashere akabagqogqanga abemi base-Ako, nabemi base-Tsidon, ne-Ahalabi, ne-Akezibi, ne-Heleba, ne-Afiki, ne-Rehobi.

32 Ama-Ashere ahlala pâkatî kwama-Kanan abemi kwelozwe; ngokuba akawagqogqanga.

Digitized by Google

33 U-Nafetali akabagqogqanga abemi base-Bete-shemeshe, nabemi base-Bete-anati; wahlala pâkatî kwama-Kanan abemi kwelozwe. Abemi base-Bete-shemeshe nabase-Bete-anati bafakwa uviko nguye.

34 Ama-Amori abaxinela kwelentaba onyana baka-Dan; ngokuba akabavumelanga ukuba behle beze ezintilini.
35 Ama-Amori apîkela ukuhlala e-Harheres, nase-Ayalon, nase-Shahalebim. Isandla sendlu ka-Yosefu saba nzima, afakwa uviko.
36 Umda wama-Amori watâbatêla eqîneni le-Akrabim, engxondoŕeni, wenyusa.

2 Kwenyuka isitûnywa sika-Yehova e-Giligali, saya e-Bokim, satî, Ndaninyusa e-Yiputa, ndanizisa kwelozwe ndafunga koyihlo ngalo, ndatî, Andiyi kuwapûla umnqopîso wam nani napâkade;
2 Ke nina ize ningenzi mnqopîso nabemi belilizwe; ize nizidilize izibingelelo zabo. Anilipûlapûlanga-ke izwi lam. Yinto-nina le niyenzileyo?
3 Kananjalo ndatî, Andiyi kubagqogqa pâmbî kwenu, ukuze babe zimviko emacaleni enu; otîxo babo babe ngumgibe kuni.
4 Kwatî, sakuwatêtâ isitûnywa sika-Yehova lamazwi kubo bonke onyana baka-Sirayeli, basuka abantu balipâkamisa izwi labo, balila.
5 Bayibiza londawo ngokutî, yi-Bokim;[1] babingelela apô ku-Yehova.

6 Kekaloku okuya u-Yoshuwa wabandululayo abantu, baya onyana baka-Sirayeli elowo elifeni lakê, ukuba balime ilizwe,
7 Abantu bamkônza u-Yehova yonke imihla ka-Yoshuwa, nemihla yonke yamadoda amakûlu awasalelayo ku-Yoshuwa, abewubonile wonke umsebenzi omkûlu ka-Yehova, abewenzele ama-Sirayeli.
8 Wafa-ke u-Yoshuwa unyana ka-Nun, isicaka sika-Yehova, eminyaka ilikûlu elinashumi-nye ezelwe:
9 Bamncŵabela emdeni welifa lakê, e-Timnata-heres, kwelentaba lakwa-Efrayim, e-Ntla kwentaba yase-Gahashe;
10 Sakuba nesosizukulwana sonke silhlanganiselwe koyise, kwavela sizukulwana simbî emva kwaso, esibe singamazi u-Yehova, kwa nomsebenzi abewenzele ama-Sirayeli.

11 Onyana baka-Sirayeli benza ububi emehlweni ka-Yehova, bakônza o-Bahali,
12 Bamlahla u-Yehova u-Tîxo woyise, owabakûpâyo ezweni lama-Yiputa, balandela tîxo bambî kotîxo bezizwe ezibajikelezileyo, baqubuda kubo, bamqumbîsa u-Yehova.
13 Bamlahla-ke u-Yehova, bakônza u-Bahali no-Ashtaroti.
14 Wavutâ-ke umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, wawanikela esandleni sabapângi, bawapânga; watêngisa ngawo *wawanikela* esandleni sentshaba zawo ngenxa zonke; akabi saba nakuma pâmbî kwentshaba zawo.
15 Atî akupûma esiya napî sasuka isandla sika-Yehova sawacâsa ngobubi, njengoko wakutêtâyo u-Yehova, njengoko wawafungelayo; abandezeleka kunene.
16 U-Yehova wavelisa abalauli; bawasindisa esandleni sabapângi bawo.
17 Akabapûlapûla nabalauli bawo, asuka ahenyuza ngokulandela tîxo bambî, aqubuda kubo, atyeka kamsinya endleleni ababehambâ ngayo oyise, yokupûlapûla imitêtô ka-Yehova. Akenjanga njalo-ke wona.
18 Naxa u-Yehova wawavelisela abalauli, u-Yehova waba nomlauli lowo, wawasindisa esandleni sentshaba zawo yonke imihla yomlauli lowo; ngokuba u-Yehova wazohlwaya ngenxa yokuncwina kwawo, pâmbî kwabaxini bawo, abafingi bawo.
19 Kwatî, akufa umlauli lowo, abuya onakalisa ngapêzu koyise, alandela tîxo bambî ngokubakônza nangokuqubuda kubo; akaziyeka intlondi zawo nendlela yokuba lukûni kwawo.
20 Wavutâ umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli; watî, Ngenx' enokuba oluhlanga luwugqitîle umnqopîso wam endawumisela oyise, alwalipûlapûla izwi lam:
21 Nam andiyi kupînda nditi pâmbî kwabo ndigqogqe mntu wezintlanga, wazishiyayo u-Yoshuwa ekufeni kwakê,
22 Ukuze ndiwalinge ngazo ama-Sirayeli, ukuba oyigcina-na indlela ka-Yehova, ahambê ngayo, njengoko bayigcinayo oyise, akayi kuyigcina kusinina?
23 Waziyeka-ke u-Yehova ezontlanga,

[1] Abalilî.

Digitized by Google

akazigqogqa kamsinya, akazinikela esandleni sika-Yoshuwa.

3 Zizo-ke ezi intlanga awaziyekayo u-Yehova, ukuze awalinge ngazo ama-Sirayeli, lawo angazazanga imfazwe zonke zakwa-Kanan;
2 Ukuze kodwa azazi izizukulwana zonyana baka-Sirayeli ngokuzifundisa imfazwe, zona ezo zangapâmbîli zazingazazi:
3 Izikûlu zozihlanu zama-Filisti, nama-Kanan onke, nama-Tsidon, nama-Hivi ahleli ezintabeni ze-Lebanon, etâbatêla ezintabeni ze-Bahali-hermon, ese ekuyeni e-Hamati.
4 Abo-ke babengabokulinga ama-Sirayeli, ukuze kwazeke ukuba oyipûlapûla-na imitêtô ka-Yehova, awayiwisela oyise ngesandla sika-Moses.
5 Bahlala-ke onyana baka-Sirayeli pâkatî kwama-Kanan, nama-Heti, nama-Amori, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi.
6 Bazizeka intombî zawo zangabafazi babo, bendisa intombî zabo konyana bawo, bakônza otîxo bawo.

7 Onyana baka-Sirayeli benza ububi emehlweni ka-Yehova, bamlibala u-Yehova u-Tîxo wabo, bakônza o-Bahali no-Ashera.
8 Wavutâ-ke umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, watêngisa ngawo *wawanikela* esandleni sika-Kushan-rishatayim ukumkani wakwa-Aram[1] pakati kwemilambô; bamkônza-ke onyana baka-Sirayeli u-Kushan-rishatayim iminyaka esibôzo.
9 Bakâla onyana baka-Sirayeli ku-Yehova; wabavelisela u-Yehova onyana baka-Sirayeli umsindisi owabasindisayo, ongu-Oteniyeli unyana ka-Kenazi, umninawa ka-Kalebi.
10 Wafikelwa ngumoya ka-Yehova, wawalaula ama-Sirayeli, wapûma waya kulwa. U-Yehova wamnikela esandleni sakê u-Kushan-rishatayim, ukumkani wakwa-Aram; isandla sakê saba namandla pêzu ko-Kushan-rishatayim.
11 Lazola-ke ilizwe iminyaka emashumi mane. Wafa u-Oteniyeli unyana ka-Kenazi.

12 Kekaloku onyana baka-Sirayeli bapînda benza ububi emehlweni ka-Yehova; u-Yehova wamomeleza u-Egelon ukumkani wakwa-Mowabi, ukuba awacâse ama-Sirayeli, ngenxa yokuba enze ububi emehlweni ka-Yehova.
13 Wabahlanganisela kuye onyana baka-Amon nama-Amaleki, waya wawabulala ama-Sirayeli, wawuhlutâ umzi wamasundu.
14 Onyana baka-Sirayeli bamkônza u-Egelon ukumkani wakwa-Mowabi iminyaka elishumi elinesibôzo.
15 Bakâla onyana baka-Sirayeli ku-Yehova; wabavelisela umsindisi ongu-Ehude unyana ka-Gera, um-Benyamin, umfo olinxele. Batûmela onyana baka-Sirayeli ngesandla sakê umnikelo ku-Egelon ukumkani wakwa-Mowabi.
16 U-Ehude wazenzela irele elintlangotî mbîni liyi-kubite ubude balo, walinxiba pântsi kwengubo yakê etângéni lakê lokunene.
17 Wawusondeza umnikelo ku-Egelon ukumkani wama-Mowabi; ke u-Egelon ebe ngumfo onenxêba.
18 Kwatî, akugqiba ukuwusondeza umnikelo, wabandulula abantu ababewutwele umnikelo lowo.
19 Wabuya yena emifanekisweni eqingqiweyo ese-Giligali, watî, Ndinelizwi lasentsitêlweni nawe, kumkani. Watî, Yitini-tu. Bapûma bemka kuye bonke abebemi ngakuye.
20 Weza u-Ehude kuye, ehleli egumbîni elipêzulu elinempepô, ebelilelakê yedwa. Watî u-Ehude, Ndinelizwi lika-Tîxo eliza kuwe; wesuka esihlalweni.
21 U-Ehude wasolula isandla sakê sokôhlo, walitâbatâ irele etângēni lakê lokunene, walifaka esiswini sakê.
22 Watsho sangena nesipâtô, salandela intsimbî; inqatâ layivingcela intsimbî, ngokuba akalirôlanga irele esiswini sakê; lapûma pâkatî kwempundu.
23 Wapûma u-Ehude waya e-varandeni, wazivala ingcango zegumbî-elo lipêzulu, wamvalela, wazitshixa.
24 Epûmile-ke yena, bangena abakonzi babona ingcango zegumbî elipêzulu zivaliwe; batî, Fanel'ukuba ugubungela inyawo zakê egumbîni lempepô.
25 Bapôngoma bada banentloni; nanko kungavuli mntu ezingcangweni zegumbî elipêzulu; batâbatâ isitshixo, bavula: nantsi inkosi yabo iwe pântsi ifile.
26 U-Ehude wasaba, besazilazila bona;

[1] 1-Mesopotami kwi-Test. entsha.

Digitized by Google

wagqitâ emifanekisweni eqingqiweyo, wasaba, waya e-Sehira.

27 Kwati, ukufika kwakê, wavutela ngesigodlo ekwelentaba lakwa-Efrayim; behla naye onyana baka-Sirayeli kwelentaba, epâmbi kwabo yena.

28 Watî kubo, Ndilandeleni; ngokuba u-Yehova uzinikele intshaba zenu ama-Mowabi esandleni senu. Bamlandela-ke, bavingca amazibuko ase-Yordan angakwa-Mowabi, abavuma ukuba kuwele mntu.

29 Babulala ama-Mowabi ngeloxesha, amadoda angati angamawaka alishumi, onke etyebile, onke engamadoda anoburoti; akwasinda nanye indoda.

30 Atôtywa-ke ama-Mowabi lomini apântsi kwesandla sama-Sirayeli; lazola ilizwe iminyaka emashumi asibôzo.

31 Emveni kwakê yaba ngu-Shamgare unyana ka-Anati, owabulala kuma-Filisti amadoda angamakûlu amatândatû ngoviko lwenkomo, wawasindisa naye ama-Sirayeli.

4 Bapînda onyana baka-Sirayêli benza ububi emehlweni ka-Yehova, akuba efile u-Ehude.

2 U-Yehova watêngisa ngabo wabanikela esandleni sika-Yabin ukumkani wakwa-Kanan, obepêtê ubukumkani e-Hatsore, omtêtêli-mkôsi ebe ngu-Sisera, ohleli e-Harosheti yentlanga.

3 Bakâla onyana baka-Sirayeli ku-Yehova; ngokuba ebe nenqwelo zesinyiti ezingamakûlu asitôba; wabaxina-ke onyana baka-Sirayeli ngamandla iminyaka emashumi mabini.

4 Kekaloku u-Debora, umprofetikazi, umka-Lapidoti, ebewalaula ama-Sirayeli ngeloxesha.

5 Wayehleli pântsi komtî wesundu ka-Debora, pakati kwe-Rama ne-Beteli, kwelentaba lakwa-Efrayim. Benyuka baya kuye onyana baka-Sirayeli ukuba atêtê amatyala.

6 Watûmela-ke wabiza u-Baraki unyana ka-Abinowam e-Kedeshe yakwa-Nafetali, watî kuye, Akakuwiselanga mtêtô-na u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, watî, Hambâ utsalele entabeni ye-Tabore, utabate amadoda angamawaka alishumi konyana baka-Nafetali nakonyana baka-Zebulon?

7 Ndomtsalela kuwe emlanjaneni wase-Kishon u-Sisera, umtêtêli womkôsi ka-Yabin, nenqwelo zakê zokulwa, nengxokolo yakê; ndimnikele esandleni sakô.

8 Watî u-Baraki kuye, Ukuba utê wahambâ nam, ndohambâ; ukuba akutânga uhambê nam, andikuhambâ.

9 Watî-ke, Ukuhambâ ndiya kuhambâ nawe, kodwa akuyi kuba naludumo kulendlela uyihambâyo; ngokuba u-Yehova uya kutêngisa ngo-Sisera amnikele esandleni senkazana. Wesuka-ke u-Debora waya no-Baraki e-Kedeshe.

10 U-Baraki wawahlabela umkôsi ama-Zebulon nama-Nafetali e-Kedeshe. Kwenyuka amadoda angamawaka alishumi amlandela. Wenyuka naye u-Debora.

11 Kekaloku u-Hebere um-Keni wayezahlule kuma-Keni, konyana baka-Hobabi uyise womka-Moses, wazimisa in-tente zakê, zakuma ngemikôba ese-Tsahanayim ngase-Kedeshe.

12 Waxelelwa u-Sisera, ukuba u-Baraki unyana ka-Abinowam unyukê weza entabeni ye-Tabore.

13 U-Sisera wazihlanganisa zonke inqwelo zakê zokulwa, inqwêlo zesinyiti ezingamakûlu asitôba, nabantu bonke abanaye, betâbatêle e-Harosheti yentlanga, besa emlanjaneni wase-Kishon.

14 Watî u-Debora ku-Baraki, Suk'ume, ngokuba yiyo le imini u-Yehova amnikele ngayo u-Sisera esandleni sakô. Akapûmi yinina u-Yehova pâmbî kwakô? Wehla u-Baraki entabeni ye-Tabore, elandelwa ngamadoda angamawaka alishumi.

15 U-Yehova wamdubaduba u-Sisera nenqwelo zakê zonke zokulwa, nomkôsi wakê wonke ngohlangotî lwerele pâmbî ko-Baraki; wehla u-Sisera enqweleni, wasaba ngenyawo.

16 U-Baraki wazisukela inqwelo zokulwa, wawusukela nomkôsi, wesa e-Harosheti yentlanga, wawa wonke umkôsi ka-Sisera ngohlangotî lwerele, akwasala noko amnye.

17 U-Sisera wasaba ngenyawo, waya ententeni ka-Yaheli umka-Hebere, um-Keni; ngokuba belixolile pâkatî ko-Yabin ukumkani wase-Hatsore nendlu ka-Hebere um-Keni.

18 Wapûma-ke u-Yaheli, waya wamkâulela u-Sisera, watî kuye, Pâmbûka, nkosi yam, pâmbukela kum; mus'ukoyika.

Digitized by Google

Wapâmbûkela-ke kuye en-tenteni, wamgubungela ngengubo.
19 Watî kuye, Kâundipê intwana yamanzi ndisele, ngokuba ndinxaniwe. Wamtûlulela amasi emvabeni, wamnika wasela; wamgubungela.
20 Watî kuye, Yima emnyango en-tententi; kotî, ukuba kuze umntu, wabuza watî, Kukô umntu-na apâ? utî, Hayi.
21 U-Yaheli umka-Hebere watâbatâ isikônkwane sen-tente, wapâtâ isando ngesandla, waya kuye ecotâ, wasibetêla isikônkwane ezintlafunweni zakê, sapûmela sangena emhlabeni; kuba ebetê-qwiti, butôngo; wayoba wafa-ke.
22 Kwatî-tâpu u-Baraki, esukela u-Sisera; wapûma u-Yaheli waya kumkâulela, watî kuye, Yiza, ndikubonise indoda oyifunayo; waya kuye; nanko u-Sisera eludwambâ efile, enesikônkwane ezintlafunweni.
23 U-Tixo wamtôba lomini u-Yabin ukumkani wama-Kanan pâmbî konyana baka-Sirayeli.
24 Saya isandla sonyana baka-Sirayeli siba nzima ngokuba nzima pêzu ko-Yabin ukumkani wama-Kanan, bada bamcîtâ u-Yabin ukumkani wama-Kanan.

5 Baza bavuma o-Debora no-Baraki unyana ka-Abinowam ngalomini, besitî,
2 Ngenxa yokukôkela kwenkokeli,
Ngenxa yokuqûtywa kwabantu zintliziyo zabo.
Bongani u-Yehova.
3 Yivani, bokumkani; bekani indlebe, zidwangube;
Mna lo ndiya kuvuma ku-Yehova,
Ndiya kumbetêla uhadi u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli.
4 Yehova, ekupûmeni kwakô kwa-Sehire,
Ekunyalaseni kwakô uvela emhlabeni wakwa-Edom,
Wanyikima umhlaba, avuza nawo amazulu,
Ewe amafu avuza amanzi.
5 Intaba zazamazama pâmbî ko-Yehova,
I-Sinayi-leya pâmbî ko-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli.
6 Ngemihla ka-Shamgare umfo ka-Anati,
Ngemihla ka-Yaheli bezingahanjwa indlela,
Ababehambâ ngengqushu bahambâ ngendlela ezizipâmbûsa.
7 Ebengamiwa amapândle kwa-Sirayeli, ebengamiwa,
Ndada ndesuka, mna Debora,
Ndesuka ndangunina kwa-Sirayeli.
8 Kwakunyulwe otîxo abatsha,
Kwaza kwayimfazwe emasangweni;
Ingweletshetshe nomkônto wawubonwa yinina
Pâkatî kwamawaka amashumi mane akwa-Sirayeli?
9 Intliziyo yam ingakubamisi-mtêtô bakwa-Sirayeli,
Ingakwabo baqûtywa yintliziyo yabo pâkatî kwabantu;
Bongani u-Yehova.
10 Nina bakwêle ezimazini ezimhlopê zama-esile,
Nina bahlala ezinkukweni,
Nani bahambâ ngendlela, camgcani.
11 Ngezwi lentoli pâkatî kwemikômbe yamanzi
Kôn' apô babonga imisebenzî yobulungisa ka-Yehova,
Imisebenzi yobulungisa *awayenza* emapândleni akê kwa-Sirayeli;
Oko behla abantu baka-Yehova, baya emasangweni.
12 Vuka, vuka, Debora;
Vuka, vuka, hlab' ingoma;
Suk'ume, Baraki, tîmbâ abatînjwa bakô, nyana ka-Abinowam.
13 Yihlani-ke, maqongqolo azingangamsha, ningabantu;
Yehova, ndihlêle pâkatî kwamagoŕa.
14 Avela kwa-Efrayim angcambû ikwa-Amaleki;
Emva kwako, Benyamin, pâkatî kwezizwe zakowenu.
Kwehla kwa-Makire abamisi-mtêtô
Kwa-Zebulon umqikela unomnqayi wombali *wempi*.
15 Kwa-Isakare abatêtêli kunye no-Debora,
Njengo-Isakare, ukwanjalo u-Baraki;
Bagaleleka entilini, bamlandela.
Emijelweni yakwa-Ruben
Yaba kusongela okukûlu kwentliziyo.
16 Ubuhlalele-nina pâkatî kwezibaya,
Upûlapûla amakwêlo emihlambîni?
Emijelweni yakwa-Ruben
Yaba kugocagoca okukûlu kwentliziyo.
17 U-Giliyadi pêsheya kwe-Yordan walala *akalwa;*

Digitized by Google

U-Dan-ke yena walibala yinina nga-
sezinqanaweni?
U-Ashere wahlala ngaselunxwemeni
lolwandle,
Walala pantsi ngasemacwebeni alo,
akalwa.
18 Ama-Zebulon ngabantu ababenza isi-
cênge ubomi babo ekufeni,
Nama-Nafetali ezindaweni ezipâka-
mileyo zelizwe.
19 Kwafika okumkani, balwa,
Baza okumkani bakwa-Kanan balwa,
E-Tahanaki, ngasemanzini ase-Megi-
do;
Abatîmbâ neqôsha le-silvere.
20 Zalwa ezulwini,
Zalwa inkwenkwezi emendweni wazo
no-Sisera.
21 Umlanjana wase-Kishon wabakûku-
lisa,
Umlanjana wamanyange, umlanjana
wase-Kishon.
Nyatêla ngamandla, mpêfumlo wam.
22 Aza angqisha-ke ngamanqina amaha-
she
Ngokupâla, ngokupâla anamandla ku-
wo.
23 Qalekisani i-Merozi, satsho isitûnywa
sika-Yehova,
Qalekisani, qalekisani abemi bakô-
na.
Ngokuba bengezanga kunceda u-Ye-
hova,
Kunceda u-Yehova pâkatî kwama-
gofa.
24 Makasikelelwe kunezinye intokazi u-
Yaheli,
Umka-Hebere um-Keni,
Makasikelelwe kunentokazi ezisezin-
tenteni.
25 Wacela amanzi, wamnika amasi,
Ngesitya sezinâna wasondeza inqâka.
26 Wasa isandla sakê esikônkwaneni,
Wasa esokunene esandweni sabasebe-
nza kanzima,
Wamkânda u-Sisera, wamhlekeza i-
ntloko,
Wamhlaba, wambôdloza ezintlafu-
nweni.
27 Waguqa ezinyaweni zakê, wawa, wa-
lala pântsi,
Waguqa ezinyaweni zakê, wawa,
Apô waguqa kôna, wawa epêlile.
28 Walunguza nge-festile, wamemeza
Ngesitûba unina ka-Sisera, watî,
Ilibele yinina inqwelo yakê yokulwa
ingafiki-nje?
Ahlalele-nina amanyatêla amahashe
akê?
29 Apêndule alumkileyo amakosazana
akê,—
Ke yena apînde kwa elakê, etêtâ ye-
dwa,—atî,
30 Abafumene-na? ababi amaxôba-na?
Yintombî, zintombî ngambîni kwi-
ntloko yendoda?
Ngamaxôba engubo ezimfakamfele ku-
Sisera?
Ngamaxôba engubo ezimfakamfele,
engubo ezilukwe zamfakamfele?
Yingubo emfakamfele, zingubo ezi-
mbîni ezilukwe zamfakamfele ezi-
ntanyeni zamaxôba?
31 Makube njalo ukubûbâ kwentshaba
zakô zonke, Yehova;
Ke abamtândayo mababe njengoku-
pûma kwelanga linamandla.
Lazola-ke ilizwe iminyaka emashumi ma-
ne.

6 Kekaloku onyana baka-Sirayeli benza
ububi emehlweni ka-Yehova; waba-
nikela u-Yehova esandleni sama-Midiyan
iminyaka esixénxe.
2 Isandla sama-Midiyan saba namandla
pêzu kwama-Sirayeli; onyana baka-Sira-
yeli bazilungisela imigongxo esezintabeni,
nemiqolombâ nembôniselo ngenxa yama-
Midiyan.
3 Kwatî, xa abehlwayele ama-Sirayeli,
enyuka ama-Midiyan, nama-Amaleki, na-
basempumalanga; benyuka, bawafikela,
4 Bawangqinga, bayonakalisa indyebo
yelizwe kwada kwaya e-Gaza, abashiya nto
idliwayo kwa-Sirayeli, nagusha, nankomo,
na-esile.
5 Ngokuba bebenyuka bona nemfuyo ya-
bo, nen-tente zabo, beza benjengenkumbî
ukuba baninzi, ababi nakubalwa bona nen-
kamela zabo; balingena ilizwe ukuba ba-
lonakalise.
6 Abîtya kunene ama-Sirayeli ngenxa
yama-Midiyan. Bakâla onyana baka-Sira-
yeli ku-Yehova.

7 Kwatî, bakukâla onyana baka-Sirayeli
ku-Yehova ngenxa yama-Midiyan,
8 U-Yehova watûma indoda engum-pro-
feti konyana baka-Sirayeli; yatî kubo,
Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, uku-

Digitized by Google

tí, Ndaninyusa mna e-Yiputa, ndanikûpâ endlwini yamakôboka,
9 Ndanihlangula esandleni sama-Yiputa, nasesandleni sabaxini benu bonke, ndabagxotâ pâmbî kwenu, ndaninika ilizwe labo;
10 Ndatî kuni, Ndingu-Yehova u-Tîxo wenu; ningaboyiki otîxo bama-Amori, enihleli ezweni lawo; analipûlapûla izwi lam.

11 Kweza isitûnywa sika-Yehova, sahlala pântsi komkôba obuse-Ofra, ka-Yowashe um-Abihezere; ke u-Gidiyon unyana wakê wayebûla inqôlowa esixovulelweni, ukuze ayifihle kuma-Midiyan.
12 Kwabonakala isitûnywa sika-Yehova kuye, satî kuye, U-Yehova unawe, gofandini linoburoti.
13 Watî u-Gidiyon kuso, Camagu, Nkosi yam; ukuba u-Yehova unatî, yinina ukuba kusihlele konke oku? Ipîna yonke imisebenzi yakê ebalulekileyo, ababesibalisela ngayo obawo, besitî, Sasinganyuswanga ngu-Yehova-na e-Yiputa? Kungoku u-Yehova usilahlile, wasinikela esandleni sama-Midiyan.
14 Wabêka-ke u-Yehova kuye, watî, Hambâ ngalamandla akô, uwasindise ama-Sirayeli esandleni sama-Midiyan. Akutûnywe ndim yinina?
15 Watî yena kuye, Camagu, Nkosi yam, ndowasindisa nganto-nina ama-Sirayeli? Kângela, umzi wakowetû ngowona upântsi kwa-Manase, nam ndinguyena mncinane endlwini kabawo.
16 Watî u-Yehova kuye, Ndiya kuba nawe, uwabulale ama-Midiyan njengendod' enye.
17 Watî kuye, Ukuba ndibabalwe nguwe, kâundenzele umqondiso wokuba nguwe otêtâ nam.
18 Mus' ukumka apâ, ndide ndize kuwe, ndîfole umnikelo wam, ndiwubeke pâmbî kwakô. Watî, Ndohlala mna, ude ubuye.
19 U-Gidiyon waya walungisa itâkane lebôkwe, nezonka ezinge nagwele ze-efa yomgubo onengiweyo; inyama wayibeka engobozini, umhluzi wawugalela embîzeni, wazisa kuye pântsi komkôba, wasondeza.
20 Satî kuye isitûnywa sika-Tîxo, Tâbatâ inyama nezonka ezinge nagwele, uzibeke pêzu kwelilitye, uwupâlazele kulo umhluzi. Wenje njalo.
21 Saza isitûnywa sika-Yehova sesa incam yentonga esesandleni saso, sacûkumisa inyama nezonka ezinge nagwele: wenyuka umlilo elityeni, wayidla inyama nezonka ezinge nagwele, saza isitûnywa sika-Yehova semka emehlweni akê.
22 Wabona u-Gidiyon ukuba sisitûnywa sika-Yehova; watî u-Gidiyon, Yō! Nkosi Yehova! nditsho ngokuba ndibonene nesitûnywa sika-Yehova.
23 U-Yehova watî kuye, Uxolo malube kuwe; mus'ukoyika, akuyi kufa.
24 U-Gidiyon waka kôna isibingelelo ku-Yehova, watî igama laso ngu-Yehova-uluxolo; sisekô nanamhla e-Ofra yama-Abihezere.

25 Kwati ngobobusuku, watî u-Yehova kuye, Tâbatâ inkunzi yenkomo eyekayihlo, eyesibini inkunzi eminyaka isixênxe, usidilize isibingelelo sika-Bahali sikayihlo, umgaule u-Ashera ongakuso;
26 Wakê isibingelelo ku-Yehova u-Tîxo wakô encotsheni yalenqaba, usilungiselele, utâbatê eyesibini inkunzi, unyuse idini elinyukayo ngenkuni zika-Ashera omgauleyo.
27 U-Gidiyon watâbatâ amadoda alishumi kubakônzi bakê; wenza njengoko watêtâyo u-Yehova kuye. Kwatî, kuba esoyika indlu kayise namadoda alomzi, akenza emini, wenza ebusuku.
28 Avuka kusasa ngengomso amadoda alomzi: naso isibingelelo sika-Bahali sidiliziwe, egaulwe no-Ashera obe ngakuso, neyesibini inkunzi inyusiwe pêzu kwesibingelelo ebesakîwe.
29 Yatî enye kwenye, Ngubani-na lo wenze lento? Abuza, afuna. Batî, Ngu-Gidiyon unyana ka-Yowashe, lo wenze lento.
30 Atî amadoda alomzi ku-Yowashe, Kûpâ unyana wakô, afe; ngokuba usidilizile isibingelelo sika-Bahali, wamgaula u-Ashera obe ngakuso.
31 Watî u-Yowashe kubo bonke abebemmele, Niya kummela u-Bahali nina abana? Niya kumsindisa nina aba-na? Lowo ummelayo u-Bahali makabulawe; makê kuse. Ukuba ungu-Tîxo, makazitêtêlele, ngokuba sidiliziwe isibingelelo sakê.
32 Kwatîwa lomini ungu-Yerubahali, kusitîwa, u-Bahali makapîkisane naye, ngokuba esidilizile isibingelelo sakê.

33 Ahlangana ndawonye onke ama-Mi-

Digitized by Google

diyan, nama-Amaleki, nabasempumalanga; awela, amisa ematâfeni ase-Yizereli.
34 Umoya ka-Yehova wamtî-gqubutû u-Gidiyon; wavutêla ngesigodlo; ahlatyelwa umkôsi eza ama-Abihezere, amlandela.
35 Watûma abatûnywa kuma-Manase onke, ahlatyelwa eza nawo, amlandela. Watûma abatûnywa kuma-Ashere, nakuma-Zebulon, nakuma-Nafetali; enyuka awakâulela.
36 Wati u-Gidiyon ku-Tîxo, Ukuba uyawasindisa ama-Sirayeli ngesandla sam, njengoko utêtîleyo,
37 Nanku ndibeke uboya obucêtyiweyo esandéni; ukuba umbetê utê waseboyeni bodwa, wonke umhlaba wawomile: ndiya kwazi-ke ukuba uya kuwasindisa ama-Sirayeli ngesandla sam, njengoko utêtîleyo.
38 Kwaba njalo-ke. Wavuka kusasa ngengomso, wabukâmanga uboya, wawukâma umbetê eboyeni, kwazala indebe ngamanzi,
39 Watî u-Gidiyon ku-Tîxo, Mawungavutî umsindo wakô kum, ndakutêtâ okwesisihlandlo sodwa; makê ndilinge okwesisihlandlo sodwa ngoboya: kome uboya bodwa, umbetê ube semhlabeni wonke.
40 Wenje njalo u-Tîxo ngobobusuku: koma uboya bodwa, umbetê waba semhlabeni wonke.

7 Wavuka kusasa u-Yerubahali, ngu-Gidiyon ke-lowo, nabantu bonke naye bamisa emantloko omtômbô we-Harodi; ke umkôsi wama-Midiyan waungakuye ngase-Ntla kwenduli yakwa-More, ematâfeni.

2 Watî u-Yehova ku-Gidiyon, Baninzi abantu abanawe kunokuba ndiwanikele ama-Midiyan esandleni sabo, hleze ama-Sirayeli aqâyise, atî, Sisindiswe sisandla setû.
3 Kâudanduluke-ke ngoko ezindlebeni zabantu, utî, Owoyikayo nogubâyo makabuye, makanyebeleze emke ezintabeni ze-Giliyadi. Kwabuya-ke kubo abantu abangamawaka angamashumi omabini anamabini; kwasala amawaka alishumi.

4 Watî u-Yehova ku-Gidiyon, Abantu basebaninzi. Yihla nabo, uye emanzini, ndikukêtele bona apô; kotî, enditê kuwe, Lo uya kuhambâ nawe, maze ahambê nawe yena; bonke endisukuba nditî kuwe, Lo akayi kuhambâ nawe, ize angahambi nawe yena.
5 Wehla nabantu waya emanzini; watî u-Yehova ku-Gidiyon, Bonke abasukuba beŕamncela amanzi ngolwimi lwabo, njengoko ixâpayo inja, uz'ubamise bodwa; bonke abasukuba beguqa ngamadolo abo ukuba basele, *uz'ubamise bodwa.*
6 Inani labaselayo ngesandla salo emlonyeni laba ngamadoda amakûlu matâtû; bonke abanye abantu baguqa ngamadolo abo ukuba basele amanzi.
7 Watî u-Yehova ku-Gidiyon, Ndiya kunisindisa ngalamadoda amakûlu matâtû aŕamnceleyo, ndiwanikele ama-Midiyan esandleni sakô. Bonke abanye abantu mabagoduke, elowo aye endaweni yakê.
8 Bawupâtâ abantu abo umpâko ngesandla sabo, nezigodlo zabo. Wawandulula onke amadoda akwa-Sirayeli, ukuba ileyo iye en-tenteni yayo; wagcina amadoda lawo amakûlu matûtû. Umkôsi wama-Midiyan waba ngezantsi kwakê etâfeni.

9 Kwatî ngobobusuku, u-Yehova watî kuye, Vuka, uhle uye empini; ngokuba ndiyinikele esandleni sakô.
10 Ukuba uyoyika ukuhla, yihla nomfana wakwakô u-Fura, uye empini,
11 Uve into abayitêtâyo; emveni koko siya komelela isandla sakô. Yihla-ke uye empini. Wehla-ke yena no-Fura, umfana wakwakê, baya ekupéleni kwabaxôbileyo abasempini.
12 Ama-Midiyan nama-Amaleki nonyana basempumalanga bonke babelele ematafeni benjengenkumbî ukuba baninzi, nen-kamela zawo bezinge nakubalwa njengentlabati yonxweme lolwandle ukuba zininzi.
13 Wafika u-Gidiyon; nantso indoda ixelela uwayo ipûpâ isitî, Yabona, ndipûpê ipûpâ, ndibone kuqengqeleka isonka sefasi sisiza emkôsini wama-Midiyan, sifike en-tenteni, sibetê iwe, itî-bûkuqu in-tente, iti-bûma.
14 Wapéndula uwayo watî, Lonto kunje liŕele lika-Gidiyon unyana ka-Yowashe, indoda yakwa-Sirayeli; u-Tîxo uwanikele ama-Midiyan nomkôsi wonke esandleni sakê.

15 Kwatî, akukuva u-Gidiyon ukuxelwa kwepûpâ nokutŷilwa kwalo, waqubuda. wabuyela emkôsini wama-Sirayeli, watî,

Digitized by Google

Vukani; ngokuba u-Yehova uyinikele impi yama-Midiyan esandleni senu.

16 Wawahlula angamaqela omatâtû amadoda lawo amakûlu matâtû, wabeka izigodlo esandleni sawo onke, nemipânda engenanto, nezikûni ezivutâyo ngapâkatî kwemipânda-leyo;

17 Watî kuwo, Kângelani kum, nenje nje: yabonani, ndakufika ekupêleni kwempi, notî njengoko ndenza ngako mna, nenje njalo *nina*.

18 Ndovutêla ngezigodlo mna, nabo bonke abanam, nivutêle-ke ngezigodlo nani ngenxa zonke emkôsini, nitî, Ha, ha! ifele lika-Yehova, lika-Gidiyon.

19 Wafika-ke u-Gidiyon, nekûlu lamadoda elinaye, ekupêleni kwempi, ekuqalekeni komlindo opâkatî kobusuku, bakut' ukutî ukumiswa abalindi. Lavutêla ngezigodlo, liyiqêkeza imipânda esezandleni zalo.

20 Avutêla-ke ngezigodlo amaqela omatâtû, ayiqêkeza imipânda; azipâtâ izibane ezivutâyo ngezandla zawo zokôhlo, awapâtâ amaxilongo ngezandla zawo zokunene, ukuba avutêle, adanduluka esiti, Ha, ha! ifele lika-Yehova, lika-Gidiyon.

21 Ema onke ezindaweni zawo ngenxa zonke empini. Yasaba yonke impi, yakâla, yasabisa.

22 Amakûlu omatâtû avutêla ngezigodlo. U-Yehova walibêkisa ifele lendoda kuwayo, nakwimpi yonke; yasaba impi, yasinga e-Bete-shita ngase-Tserera, yasinga emdeni we-Abele-mehola ngapâya kwe-Tâbata.

23 Wahlatyelwa umkôsi, weza umntu wakwa-Sirayeli epûma kwa-Nafetali, nakwa-Ashere, naku-Manase wonke, wawasukela ama-Midiyan.

24 U-Gidiyon watûma abatûnywa kwelentaba lonke lakwa-Efrayim, esitî, Yihlani niwahlangabeze ama-Midiyan, niwapângele ukutâbatâ amanzi, nise e-Betebara ne-Yordan. Wahlatywa umkôsi, beza abantu bonke bakwa-Efrayim, bapângela ukuwatâbatâ amanzi-lawo besa e-Bete-bara ne-Yordan.

25 Bababambâ abatêtêli ababini bama-Midiyan: u-Orebe no-Zebe; bambulalela u-Orebe eweni lika-Orebe, u-Zebe bambulalela esixovulelweni sika-Zebe, bawasukela ama-Midiyan; beza nentloko ka-Orebe neka-Zebe ku-Gidiyon pêsheya kwe-Yordan.

8 Ati amadoda akwa-Efrayim kuye, Yinto-nina lento uyenzileyo kutî yokuba ungasibizi, ukuya kulwa kwakô nama-Midiyan? Babambâna naye kabukâli.

2 Watî kuwo, Ndenze nto-nina ngoku ngangani? ukubîkica kwama-Efrayim akukugqitile-na ngokulunga ukuvuna idiliya kom-Abihezere?

3 U-Tîxo ubanikele esandleni senu abatêtêli bakwa-Midiyan u-Orebe no-Zebe; yinto-nina endinokuyenza ngangani? yaza ingqumbo yawo ngakuye yadambâ ekulitêtêni kwakê elozwi.

4 Akufika u-Gidiyon e-Yordan, ewela enamadoda amakûlu matâtû, etyafile esasukela noko;

5 Watî kumadoda ase-Sukoti, Kânibapê abantu-aba bandilandelayo intendana zezonka; ngokuba batyafile, ndisukela u-Zeba no-Tsalimuna, okumkani bama-Midiyan.

6 Batî abatêtêli base-Sukoti, Isandla sika-Zeba no-Tsalimuna sesisesandleni sakô yinina, ukuba siwunike umkôsi wakô isonka?

7 Watî u-Gidiyon, Xa kunjalo, akubanikela u-Yehova o-Zeba no-Tsalimuna esandleni sam, ndoyibâlula inyama yenu ngemitâna e-nameva yasentlango nangamakâkakâka.

8 Wenyuka kôna, waya e-Penuweli, watêta kubo kwa ngokunjalo. Bampêndula abantu base-Penuweli njengoko bampêndula ngako abantu base-Sukoti.

9 Watsho nakubantu base-Penuweli, ukutî, Ekubuyeni kwam ngoxolo ndoyidiliza lenqaba inde.

10 Kekaloku u-Zeba no-Tsalimuna bebese-Karkore, benemikôsi yabo, ngatî ngamawaka alishumi elinamahlanu ewonke amadoda abesele kwimikôsi yonke yabasempumalanga. Kwakuwe amadoda alikûlu elinamanci mabini amawaka afola ifele.

11 Wenyuka u-Gidiyon ngendlela yabahlala ezin-tenteni, ngasempumalanga kwe-Noba ne-Yogebeha, wayibulala impi: impi leyo ibingaxâlele nto.

12 Basaba o-Zeba no-Tsalimuna; wabasukela, wababambâ okumkani bobabini bama-Midiyan, o-Zeba no-Tsalimuna; wayetûsa yonke impi.

13 Wabuya u-Gidiyon unyana ka-Yo-

Digitized by Google

washe emfazweni, evela eqîneni le-Hehares,

14 Wabambâ indodana yabantu base-Sukoti, wayibuza; yambâlela abatêtêli base-Sukoti, namadoda amakûlu akôna: amadoda amashumi asixênxe anesixênxe.

15 Weza ebantwini base-Sukoti, watî, Naba o-Zeba no-Tsalimuna, enibe nindingcikiva ngabo, nisitî, Isandla sika-Zeba no-Tsalimuna sesisesandleni sakô yinina, ukuba siwanike isonka amadoda akô atŷafileyo?

16 Wawatâbatâ amadoda amakûlu alomzi nemitâna enameva yasentlango namakâkakâka, wawatyela ngayo amadoda ase-Sukoti.

17 Wayidiliza nenqaba ende yase-Penuweli, wababulala abantu balomzi.

18 Wat ku-Zeba no-Tsalimuna, Ebenjanina amadoda enawabulalayo e-Tabore? Batî, Abe njengawe, elowo enesitômo sonyana wokumkani.

19 Watî, Bebe ngabazalwana bam abo, onyana bakamâ. Ehleli-nje u-Yehova ukuba benibasindisile ngendinganibulali.

20 Watî ku-Yetere owamazibulo kuye, Suk'ume, ubabulale. Ke indodana-leyo ayiliŕolanga iŕele layo; ngokuba ibisoyika, kuba ibisengumfana.

21 Batî o-Zeba no-Tsalimuna, Suk'ume wena, usiti-qwele; njengoko injalo indoda, bunjalo nobugofa bayo. Wesuka-ke u-Gidiyon, wababulala o-Zeba no-Tsalimuna, wazitâbatâ intsimbî ezisezintanyeni zen-kamela zabo.

22 Atî ama-Sirayeli ku-Gidiyon, Silaule wena, kwa nonyana wakô, nonyana wonyana wakô; ngokuba usisindisile esandleni sama-Midiyan.

23 Watî u-Gidiyon kuwo, Andiyi kunilaula mna; akayi kunilaula nonyana wam; ngu-Yehova oya kunilaula nina.

24 Watî u-Gidiyon kuwo, Ndiya kucela ngcelo-nye kuni; ndinikeni elowo ijikazi lexôba lakê; ngokuba ebe namajikazi êgolide, kuba ebe ngama-Ishmayeli.

25 Atî, Sokunika ngemvume. Azandlala ingubo, apôsa kôna elowo ijikazi lexôba lakê.

26 Ubunzima bamajikazi e-golide awawacelayo baba liwaka elinamakûlu asixênxe e-shekele ze-golide, ngapândle kwezantsimbî namacici nengubo ezimfusa ezibe zikokumkani bama-Midiyan, nangapândle kwezidanga ezibe zisezintanyeni zen-kamela zabo.

27 U-Gidiyon wenza ngazo i-efodi, wayibeka emzini wake e-Ofera; ati onke ama-Sirayeli ahenyuza ngokuyilandela kôna; yangumgibe ku-Gidiyon nakwindlu yakê.

28 Atôtywa ama-Midiyan pâmbî konyana baka-Sirayeli, akapînda azipâkamise intloko zawo. Lazola-ke ilizwe iminyaka emashumi mane ngemihla ka-Gidiyon.

29 Waya u-Yerubahali unyana ka-Yowashe, wahlala endlweni yakê.

30 U-Gidiyon ebe nonyana abangamashumi asixênxe abapûmayo etângéni lakê; ngokuba ebe nabafazi abaninzi.

31 Neshweshwe lakê ebelikwa-Shekem, lamzalela unyana nalo; awamtîya igama lokuba-Abimeleki.

32 Wafa u-Gidiyon unyana ka-Yowashe, eyingwevu enkulu, wancŵatyelwa encŵabeni lika-Yowashe uyise, e-Ofera yama-Abihezere.

33 Kwatî, akufa u-Gidiyon, babuya onyana baka-Sirayeli bahenyuza ngokulandela u-Bahali; bazimisela u-Bahaliberiti [1] wangutîxo wabo.

34 Onyana baka-Sirayeli abamkûmbulanga u-Yehova u-Tîxo wabo, owabahlangulayo esandleni sentshaba zabo zonke ngenxa zonke;

35 Abayenzela nceba indlu ka-Yerubahali, ka-Gidiyon, ngokokulunga konke awawenzelayo ama-Sirayeli.

9 Waya u-Abimeleki ka-Yerubahali kwa-Shekem kubazalwana bonina, watêtâ kubo nakwimizalwane yonke yendlu yoyise kanina watî,

2 Kânitêtê ezindlebeni zabemi bakwa-Shekem bonke, nitî, Okôna kulungileyo kuni, kukutî nilaulwe ngamadoda amashumi asixênxe, onyana bonke baka-Yerubahali, kukutî nilaulwe yindoda ibe-nye kusinina? Kûmbûlani ukuba ndilitâmbô lenu, ndiyinyama yenu.

3 Batêtâ-ke abazalwana bonina ngaye ezindlebeni zabemi bakwa-Shekem bonke lomazwi onke; intliziyo yabo yakutôbela ukumlandela u-Abimeleki; ngokuba batî, Ngumzalwana wetû.

4 Bamnika i-silvere ezimashumi asixê-

[1] Umntu-mnqopiso.

Digitized by Google

nxe ezivela endlwini ka-Bahali-beriti; u-Abimeleki waqesha ngazo amadoda angênabuntu, agasileyo; amlandela-ke.

5 Weza endlwini kayise e-Ofera, wababulala abazalwana bakê, onyana baka-Yerubahali, amadoda amashumi asixênxe tyeni linye; kwasala u-Yotam unyana omncinane ka-Yerubahali; ngokuba wazimela.

6 Bahlangana bonke abemi bakwa-Shekem nendlu yonke ye-Milo, baya bamenza u-Abimeleki ukumkani ngaseмkôbeni wesikûmbûzo okwa-Shekem.

7 Waxelelwa u-Yotam, waya wema encotsheni yentaba ye-Gerizim, walipâkamisa izwi lakê, wadanduluka, watî kubo, Ndiveni, nina bemi bakwa-Shekem, aze u-Yehova anive nani.

8 Yaya imitî ukuya kutâmbîsa ukumkani ukuba abe pêzu kwayo. Yatî kumnquma, Yiba ngukumkani wetû.

9 Watî umnquma kuyo, Ndingade ndikuncame-na ukutyeba kwam abakuzukisayo otîxo nabantu, ndiye kujingajinga pêzu kwemitî?

10 Yatî imitî kumkîwane, Yiza wena, ube ngukumkani wetû.

11 Watî umkîwane kuyo, ndingade ndiyincame-na incasa yam neziveliso zam ezihle ndiye kujingajinga pêzu kwemiti?

12 Yatî imitî kum-diliya, Yiza wena, ube ngukumkani wetû.

13 Watî um-diliya kuyo, Ndingade ndiyincame-na i-wayin yam evuyisa otîxo nabantu, ndiye kujingajinga pêzu kwemitî?

14 Yatî yonke imitî kwiqunube, Yiza wena, ube ngukumkani wetû.

15 Latî iqunube kuyo imitî, Ukuba okunene niyanditâmbîsa ndibe ngukumkani wenu, yizani nizimele ngomtûnzi wam; ukuba akunjalo, makupûme umlilo equnubeni, uyidle imi-sedare yase-Lebanon.

16 Ukuba-ke ngoko nenzê ngenyaniso nangokugqibeleleyo, u-Abimeleki nimenze ukumkani-nje, ukuba nenze okulungileyo ku-Yerubahali nakwindlu yakê, ukuba nimenzele ngokwempâtô yezandla zakê,

17 (Ekubeni ubawo wanilwelayo, wawulahlayo umpêfumlo wakê, wanihlangulayo esandleni sama-Midiyan;

18 Ke nina nisuke nayivunukela indlu kabawo namhla, nababulala onyana bakê, amadoda angamashumi asixênxe tyeni linye, namenza ukumkani wabemi bakwa-Shekem u-Abimeleki unyana womkônzazana wakê, ngokuba engumzalwana wenu);

19 Ukuba-ke nenzê ngenyaniso nangokugqibeleleyo namhla ku-Yerubahali nakwindlu yakê: vuyani-ke ngo-Abimeleki, avuye naye ngani.

20 Ukubâ akunjalo, makupûme umlilo ku-Abimeleki, ubadle abemi bakwa-Shekem nendlu ye-Milo, upûme umlilo kubemi bakwa-Shekem nakwindlu ye-Milo, umdle u-Abimeleki.

21 Wabaleka-ke u-Yotam, wasaba, waya e-Bere, wahlala kôna ngenxa ka-Abimeleki umzalwana wakê.

22 U-Abimeleki waba ngumtêtêli wama-Sirayeli iminyaka emitâtû.

23 U-Tîxo watûma umoya ombî pâkatî ko-Abimeleki nabemi bakwa-Shekem, bamkôhlisa u-Abimeleki abemi bakwa-Shekem;

24 Ukuze ukugonyanyelwa konyana abangamashumi asixenxe baka-Yerubahali kufike, igazi labo libekwe pêzu ko-Abimeleki umzalwana wabo, owababulalayo, napêzu kwabemi bakwa-Shekem abasomelezayo isandla sakê, wababulala abazalwana bakê.

25 Abemi bakwa-Shekem bammisela abalaleli ezincotsheni zentaba, baxâkamfula bonke abadlula kubo ngendlela. Waxelelwa-ke u-Abimeleki.

26 Waya u-Gahali unyana ka-Ebede, nabazalwana bakê, badlula besiya kwa-Shekem. Abemi bakwa-Shekem bakôlosa ngaye;

27 Bapûma baya emasimini, bavuna izidiliya zabo, bazixovula, benza iminikelo yendumiso, baya endlwini yotîxo wabo, badla, basela, bamqalekisa u-Abimeleki.

28 Watî u-Gahali unyana ka-Ebede, Ngubanina yena u-Abimeleki? engubanina yena u-Shekem ukuba simkônze? Akanyana ka-Yerubahali-na, waye u-Zebule engemveleli wakê-na? Kônzani amadoda akwa-Hamore uso-Shekem. Kunganina ukuba simkônze yena?

29 Ababa ababantu bebe sesandleni sam! kukôna bendingamsusayo u-Abimeleki. Watî, esingisa ku-Abimeleki, Wandise umkôsi wakô, upûme.

30 Waweva u-Zebule umtêtêli walomzi amazwi ka-Gahali unyana ka-Ebede, wavutâ umsindo wakê,

Digitized by Google

31 Watûma abatûnywa ku-Abimeleki ngenkohliso, esitî, Nanku u-Gahali unyana ka-Ebede nabazalwane bakê befike kwa-Shekem; yabona, bayawubandezela umzi ukuba ucâsane nawe.
32 Vuka-ke ngoko ebusuku, wena nabantu onabo, ulalele emasimini;
33 Kotî, kusasa ukupûma kwelanga, uvuke kusasa, wakê uluhlu uye kulomzi; nanko yena nabantu anabo bepûma besiza kuwe; wenze kuye, njengoko sitê safumana ngako isandla sakô.

34 Wavuka-ke ebusuku u-Abimeleki nabantu bonke anabo, bawulalela owakwa-Shekem, bemaqela mane.
35 Wapûma u-Gahali unyana ka-Ebede, wema ekungeneni kwesango lomzi; wesuka u-Abimeleki nabantu anabo ekulaleleni.
36 U-Gahali wababona abantu, watî ku-Zebule, Naba abantu besihla ezincotsheni zentaba; watî u-Zebule kuye, Ubona amatûnzi entaba ngatî ngabantu.
37 Wapînda waqokela u-Gahali watî ukutêtâ, Naba abantu besihla emnyeleni welizwe, elinye iqela lisiza ngendlela yomoki wamatola.
38 Watî u-Zebule kuye, Upîna kaloku umlomo wakô owatî ngawo, Ngubanina u-Abimeleki ukuba simkônze? Asingabo abobantu-na wabacekisayo? Kâupûme kaloku, ulwe nabo.
39 Wapûma u-Gahali pâmbî kwabemi bakwa-Shekem, walwa no-Abimeleki.
40 U-Abimeleki wamsukela; wasaba yena pâmbî kwakê. Kwawa ababuleweyo babaninzi, kwada kwesa ekungeneni kwesango.
41 U-Abimeleki wahlala e-Aruma; u-Zebule wamgxotâ u-Gahali nabazalwana bakê ukuba bangahlali kwa-Shekem.
42 Kwatî ngengomso, bapûma abantu baya emasimini; waxelelwa u-Abimeleki.
43 Wabatâbatâ abantu, wabahlula bamaqela matâtû, walalela emasimini; wakângela, wabona, abantu bepûma kulomzi, wabavunukela wabaxabela.
44 U-Abimeleki namaqela abenawo badwela ekungeneni kwesango lomzi; aza amaqela amabini akâ uluhlu kubo bonke ababe semasimini, abaxabela-ke.
45 U-Abimeleki walwa nalomzi imini yonke, wawutîmbâ umzi, nabantu abakuwo wababulala; wawudiliza umzi, wawuhlwayela ityuwa.

46 Beva-ke bonke abasenqabeni ende bakwa-Shekem, bangena engontsini yendlu yo-Ele Beriti.[1]
47 Waxelelwa u-Abimeleki, ukuba babutêlene kôna bonke abasenqabeni ende yakwa-Shekem.
48 Wayinyuka u-Abimeleki intaba yase-Tsalimon, yena nabantu bonke abenabo; u-Abimeleki wapâtâ amazembê ngesandla, wagaula isebe emitîni, walifunqula, walibeka egxalabeni lakê; watî ebantwini abenabo, Into enibone ndiyenza, nxâmani nenze njengam.
49 Bagaula-ke nabo abantu bonke, elowo isebe lakê, bamlandela u-Abimeleki, bawabeka engontsini-leyo, bayifaka isikûni ingontsi, bekuyo *abasenqabeni;* kwafa nabantu bonke benqaba ende yakwa-Shekem ngatî liwaka lamadoda nabafazi.

50 U-Abimeleki waya e-Tebets, wayingqinga i-Tebets, wayitîmbâ.
51 Kwakukô inqaba ende eliqele pâkatî komzi, abalekela kôna onke amadoda, nabafazi, nabemi bonke bomzi, bazivâlela, bakwêla pêzu kwentungo yenqaba-leyo inde.
52 Wafika-ke u-Abimeleki enqabeni ende, walwa nayo, wasondela emnyango wenqaba ende, ukuze ayitshise ngomlilo.
53 Yasuka inkazana etîle, yapôsa ilitye lokusila langapêzulu entloko ka-Abimeleki, yamtyumz' ukakayi.
54 Wabiza kamsinya umfana wakwakê obepêtê intonga zakê, watî kuye, Rôla ifele lakô, undibulale, hleze kutîwe ngam. Ubulewe yinkazana. Umfana wakwakê wamhlab' amahlanza-ke, wafa.
55 Abona ama-Sirayeli ukuba ufile u-Abimeleki, aya elowo endaweni yakê.
56 U-Tîxo wabubuyisela *entloko yakê* ububi buka-Abimeleki, abebenzile kuyise ngokubulala abazalwana bakê abamashumi asixênxe;
57 Nobubi bonke bamadoda akwa-Shekem u-Tîxo wabubuyisela ezintloko zawo; afikelwa siqalekiso sika-Yotam unyana ka-Yerubahali.

10 Emva ko-Abimeleki kwavela u-Tola unyana ka-Puwa, unyana ka-Dodo,

[1] Utixo-womnqopiso.

Digitized by Google

um-Isakare, ohleli e-Shamire ezintabeni zakwa-Efrayim; wawasindisa ama-Sirayeli.

2 Wawalaula ama-Sirayeli iminyaka emashumi mabini anamitâtû; wafa, wancwatywa e-Shamire.

3 Emva kwakê kwavela u-Yahire um-Giliyadi, wawalaula ama-Sirayeli iminyaka emashumi mabini anamabini.

4 Waye nonyana abamashumi matâtû, abakwela ema-esileni amatsha amashumi matâtû, benemizi emashumi matâtû, ekutîwa yi-Havoti-yahire yona unanamhla, esezweni lase-Giliyadi.

5 Wafa u-Yahire, wancwatywa e-Kamon.

6 Bapinda onyana baka-Sirayeli benza ububi emehlweni ka-Yehova; bakônza o-Bahali no-Ashtaroti, notîxo bakwa-Aram, notîxo base-Tsidon, notîxo bakwa-Mowabi, notîxo bonyana baka-Amon, notîxo bama-Filisti; bamlahla u-Yehova, abamkônza.

7 Wavutâ umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, watêngisa ngawo wawanikela esandleni sama-Filisti, nasesandleni sonyana baka-Amon.

8 Babaguba babacola onyana baka-Sirayeli kwa ngalonyaka; *babacola* iminyaka elishumi elinesibôzo bonke onyana baka-Sirayeli ababepêsheya kwe-Yordan ezweni lama-Amori elise-Giliyadi.

9 Onyana baka-Amon bayiwela i-Yordan, ukuze balwe nama-Yuda nama-Benyamin, nendlu yakwa-Efrayim; ama-Sirayeli abandezeleka kunene.

10 Bakâla onyana baka-Sirayeli ku-Yehova, batî, Sikonile, ngokuba simlahlile u-Tixo wetû, sakônza o-Bahali.

11 Watî u-Yehova konyana baka-Sirayeli, *Bendinganisindisanga*-na kuma-Yiputa, nakuma-Amori, nakonyana baka-Amon, nakuma-Filisti,

12 Nakuma-Tsidon, nakuma-Amaleki nakuma-Mahon, abenixina, nakâla kum, ndanisindisa esandleni sawo?

13 Nindilahlile nina, nakônza tixo bambî; ngako oko andiyi kupinda ndinisindise.

14 Hambâni niye kukâla kotîxo enibanyulileyo; mabanisindise bona ngexesha lokubandezelwa kwenu.

15 Batî onyana baka-Sirayeli ku-Yehova, Sonile; yenza wena kutî ngokubona kwakô; kodwa kâusihlangule okwanamhla.

16 Babasusa otîxo bolunye uhlanga pâkatî kwabo, bakônza u-Yehova. Wakâtazeka umpefumlo wakê ngokwapûka kwama-Sirayeli.

17 Babizeleka ndawo-nye onyana baka-Amon, bamisa e-Giliyadi. Bahlanganisana onyana baka-Sirayeli, bamisa e-Mitspa.

18 Batî abantu, abatêtêli base-Giliyadi, omnye komnye, Ngubanina indoda eya kuqala ukulwa nonyana baka-Amon? yoba yintloko yabemi bonke base-Giliyadi.

11 Kekaloku u-Dyafta um-Giliyadi ebe ligofa elinoburoti; ke ube ngunyana wenkazana elihenyukazi. U-Giliyadi wazala u-Dyafta.

2 Umka-Giliyadi wamzalela onyana; bakûla onyana bomkakê, bamgxotâ u-Dyafta, batî kuye, Akuyi kudla lifa endlwini kabawo; ngokuba ungunyana wankazana yimbî wena.

3 Wabaleka u-Dyafta pâmbî kwabazalwana bakê, wahlala ezweni lase-Tobi, kwatûtêlana ku-Dyafta amadoda angenabuntu apûma naye.

4 Kwatî, kwakuba ntsuku, balwa onyana baka-Amon nonyana baka-Sirayeli.

5 Kwatî bakuba besilwa onyana baka-Amon nama-Sirayeli, amadoda amakûlu ase-Giliyadi aya kumtâbatâ u-Dyafta ezweni lase-Tobi;

6 Atî ku-Dyafta, Yiza ube ngumpâtî wetû, silwe nonyana baka-Amon.

7 Watî u-Dyafta kumadoda amakûlu ase-Giliyadi, Asinini yinina abanditîyayo, bandigxotâ endlwini kabawo? kunganina ukuba nize kum kaloku, nakuba nibandezelekile?

8 Atî amadoda amakulu ase-Giliyadi ku-Dyafta, Kukô kaloku lento sibuyela kuwe, ukuba uhambê natî, ulwe nonyana baka-Amon, ube yintloko kutî, kubemi bonke base-Giliyadi.

9 Watî u-Dyafta kumadoda amakûlu ase-Giliyadi, Ukuba nitê nandibuyisa, ukuze udilwe nonyana baka-Amon, u-Yehova wabanikela kum: mna ndoba yintloko kuni-na?

10 Atî amadoda amakûlu ase-Giliyadi ku-Dyafta, U-Yehova makabe linqîna

Digitized by Google

pâkatî kwètû; inene siya kwenje njalo ngokwelizwi lakô.

11 Wahambâ-ke u-Dyafta namadoda amakûlu ase-Giliyadi; abantu bammisa pêzu kwabo, wayintloko nompâtî. Wawatêtâ u-Dyafta onke amazwi akè pâmbî ko-Yehova e-Mitspa.

12 U-Dyafta wasusa abatûnywa, baya kukumkani wonyana baka-Amon, watî, Yinto-nina enam nawe, uze kum-nje ukuba ulwe nelizwe lam?

13 Watî ukumkani wonyana baka-Amon kubatûnywa baka-Dyafta, Kungokuba ama-Sirayeli alitâbatâyo ilizwe lam; ukunyuka kwawo e-Yiputa, atâbatêla e-Arnon, esa e-Yaboki, esa e-Yordan; libuyise ngoxolo kaloku-nje.

14 U-Dyafta wapînda watûma abatûnywa kukumkani wonyana baka-Amon,

15 Watî kuye, Utsho u-Dyafta ukutî, Ama-Sirayeli akalitâbatânga ilizwe lakwa-Mowabi, nelizwe lonyana baka-Amon;

16 Ngokuba ekunyukeni kwawo e-Yiputa ama-Sirayeli ahambâ ngentlango, eza e-Lwandle olubomvu eza e-Kadeshe;

17 Ama-Sirayeli atûma abatûnywa kukumkani wakwa-Edom, esitî, Makè ndicande ezweni lakô. Ke ukumkani wakwa-Edom akapûlapûlanga. Atûma nakukumkani wakwa-Mowabi, naye akavumanga. Ahlala ama-Sirayeli e-Kadeshe.

18 Ahambâ entlango, alijikela ilizwe lakwa-Edom nelizwe lakwa-Mowabi, evela ekupûmeni kwelanga, aya ezweni lakwa-Mowabi, amisa ngapêsheya kwe-Arnon, akangena emdeni wakwa-Mowabi, ngokuba i-Arnon ngumda wakwa-Mowabi.

19 Ama-Sirayeli atûma abatûnywa ku-Sihon ukumkani wama-Amori, ukumkani wase-Heshbon; atî ama-Sirayeli kuye, Makè ndicande ezweni lakô, ndiye endaweni yam.

20 Ke u-Sihon akakôlwa ngama-Sirayeli, ukuba acande emdeni wakè; wabahlanganisa u-Sihon bonke abantu bakè, bemisa e-Yatsa, walwa nama-Sirayeli.

21 U-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, wamnikela u-Sihon nabantu bakè bonke esandleni sama-Sirayeli. Ababulala, alihlutâ ama-Sirayeli lonke ilizwe lama-Amori abehleli kwelilizwe.

22 Awuhlutâ wonke umda wama-Amori, atâbatêla e-Arnon esa e-Yaboki, atâbatêla entlango, esa e-Yordan.

23 Kaloku u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, uwagqogqile ama-Amori pâmbî kwabantu bakè ama-Sirayeli, uya kulihlutâ-nake wena?

24 Akuhlutî-elo-na, akuhlutêle lona u-Kemoshe utîxo wakô? Natî sihlutê lonke, asihlutêle lona u-Yehova u-Tîxo wetû ebusweni betû?

25 Ngoku wena ulunge ngapêzu ko-Balaki unyana ka-Tsipore, ukumkani wakwa-Mowabi yinina? Wakâ wabambâna nokubambâna-na yena nama-Sirayeli, wakâ walwa nokulwa-na yena nawo?

26 Ekuhlaleni kwama-Sirayeli e-Heshbon nasemagxamesini ayo, nase-Arohere nasemagxamesini ayo, nasemizini yonke esemacaleni e-Arnon iminyaka emakûlu matâtû; ibiyinina ukuba ningayihlanguli ngeloxesha?

27 Mna andikônanga; nguwe ondenza into embî ngokulwa nam. U-Yehova umgwebi makagwebe namhla pâkatî konyana baka-Sirayeli nonyana baka-Amon.

28 Ukumkani wonyana baka-Amon akawapûlapûla amazwi ka-Dyafta awawatûmela kuye.

29 Umoya ka-Yehova wamfikela u-Dyafta, wacanda e-Giliyadi nakwa-Manase, wacanda nase-Mitspa yase-Giliyadi; wesuka e-Mitspa yase-Giliyadi wabangenela onyana baka-Amon.

30 U-Dyafta wabâmbâtîsa ku-Yehova isi-bâmbâtîso, watî, Ukuba utè wabanikela kanye onyana baka-Amon esandleni sam:

31 Wotî, osukuba epûma emnyango wendlu yam, eza kundikâulela ekubuyeni kwam ngoxolo konyana baka-Amon, abe ngoka-Yehova, ndimnyuse abe lidini elinyukayo.

32 Wagqitâ-ke-Dyafta, waya konyana baka-Amon ukuba alwe nabo. Wabanikela u-Yehova esandleni sakè.

33 Wababulala kakûlu kunene, kwatâbatêla e-Arohere, kwada kwaya e-Miniti, imizi emashumi mabini, kwesa e-Abelekeramim. Batôtywa onyana baka-Amon pâmbî konyana baka-Sirayeli.

34 Wafika u-Dyafta e-Mitspa endlwini yakè; nantso intombî yakè ipûma iza kumkâulela, inengqongqo ingqungqa; yaye ikupêla komntwana wakè, ngapândle kwayo wayenge nanyana nantombî.

Digitized by Google

35 Kwatî, akuyibona waziŕazula ingubo zakê, watî, Yinina-le, ntombî yam! Ungditôbîle kakûlu, wena ungowabandihlisele intlekele! Mna ndiwuvulile umlomo wam ku-Yehova, andinakubuya umva.

36 Yatî kuye, Bawo, uwuvulile umlomo wakô ku-Yehova; yenza kum njengoko kupûme emlonyeni wakô; oku-nje u-Yehova akwenzele impindezelo ezintshabeni zakô, onyana baka-Amon.

37 Yatî kuyise, Mandenzelwe lendawo; ndiyeke inyanga zibe mbîni, ndihambê ndihle ndiye ezintabeni, ndililele ubuntombî bam, mna nabalingane bam.

38 Watî, Yiya. Wayindulula, yaya inyanga ezimbîni. Yaya yona nabalingane bayo, yabulilela ubuntombî bayo ezintabeni.

39 Kwatî, ekupêleni kwenyanga ezimbîni, yabuya yeza kuyise, wasenzela kuyo isibâmbâtîso sakê awayesibâmbâtîsile; ke yona yayingazani nandoda. Yaba lisiko kwa-Sirayeli ukuti,

40 Imihla kamihla intombî zakwa-Sirayeli ziye ziyibonge intombî ka-Dyafta um-Giliyadi, imihla emine ngomnyaka.

12 Ahlatyelwa umkôsi eza amadoda akwa-Efrayim, awela aya e-Ntla, atî ku-Dyafta, Ibiyinina ukuba ugqitê uye kulwa nonyana baka-Amon, ungasibizanga sihambê nawe? Siya kuyitshisa ngomlilo indlu yakô pêzu kwakô.

2 Watî u-Dyafta kuwo, Mna bendingumfo wembâmbâno, mna nabantu bam *besibambêne* kunene nonyana baka-Amon; ndanihlabela umkôsi, anandisindisa esandleni sabo.

3 Nditê ndakubona ukuba anindisindisi, ndawenza isicênge umpêfumlo wam ndawela ndaya konyana baka-Amon; u-Yehova wabanikela esandleni sam. Kunganina ukuba ninyuke namhla, nize kulwa nam?

4 Wawabutâ u-Dyafta onke amadoda ase-Giliyadi, walwa nama-Efrayim. Amadoda ase-Giliyadi awabulala ama-Efrayim, ngokuba ebesitî, Ningabasabi kuma-Efrayim, nina ma-Giliyadi, pâkati kwama-Efrayim nama-Manase.

5 Ama-Giliyadi awapângela ama-Efrayim ngokuvingc' amazibuko e-Yordan; bebêsitî abasabileyo bakwa-Efrayim, bakuti, Mandiwele, atî kuye amadoda ase-Giliyadi, Ungum-Efrayim-na? Ubesitî akutî, Hayi,

6 Atî kuye, Kâutî, Shibôlete; watî yena Sibôlete, engalungisi ukulibiza ngokwenje njalo, asuke ambambê, amsike emazibukweni e-Yordan. Kwawa-ke ngeloxesha kuma-Efrayim amawaka angamashumi omane anamabini.

7 U-Dyafta wawalaula ama-Sirayeli iminyaka yamitândatû. Wafa-ke u-Dyafta um-Giliyadi, wancŵatyelwa *komnye* wemizi yase-Giliyadi.

8 Emveni kwakê wawalaula ama-Sirayeli u-Ibetsan wase-Betelehem.

9 Waye nonyana abamashumi matâtû; waya kwendisa ngapândle intombî ezimashumi matâtû, wazekela onyana bakê intombî ezimashumi matâtû ezivela ngapândle; wawalaula ama-Sirayeli iminyaka esixênxe.

10 Wafa-ke u-Ibetsan, wancŵatyelwa e-Betelehem.

11 Emveni kwake wawalaula ama-Sirayeli u-Elon, um-Zebulon; wawalaula ama-Sirayeli iminyaka elishumi.

12 Wafa-ke u-Elon um-Zebulon, wancŵatyelwa e-Ayalon, ezweni lakwa-Zebulon.

13 Emveni kwake wawalaula ama-Sirayeli u-Abedon unyana ka-Hileli, wase-Piraton.

14 Waye nonyana abamashumi mane, nonyana bonyana abamashumi matâtû abakŵela kuma-esile amatsha amashumi asixênxe. Wawalaula ama-Sirayeli iminyaka esibôzo.

15 Wafa-ke u-Abedon unyana ka-Hileli, wase-Piraton, wancŵatyelwa e-Piraton ezweni lakwa-Efrayim, kwelentaba lama-Amaleki.

13 Bapinda onyana baka-Sirayeli benza ububi emehlweni ka-Yehova. U-Yehova wabanikela esandleni sama-Filisti iminyaka emashumi mane.

2 Kekaloku kwabakô ndoda itîle yase-Tsora, yomlibo wama-Dan, egama linguManowa, umkayo eludlolo engazali.

3 Kwabonakala isitûnywa sika-Yehova kumfazi lowo, satî kuye, Yabona, uludlolo

Digitized by Google

wena, akuzali; ke uya kumitâ, uzale unyana.

4 Kengoko kâuzigcine, uzungaseli wayini nasiselo sinxilisayo; ungadli nanye into eyinqambî;

5 Ngokuba uyabona, uya kumitâ, uzale unyana; isitshetshe sokucêba asiyi kusondezwa entloko yakê; ngokuba lenkwenkwe iya kuba ngu-Mahlulwa ka-Tîxo kwa sesizalweni. Yiyo-ke eya kuqala ukuwasindisa ama-Sirayeli esandleni sama-Filisti.

6 Weza lomfazi, watî kwindoda yakê, Kufike kum umntu ka-Tîxo, imbônakalo yakê injengembônakalo yesitûnywa sika-Tîxo, isoyikeka kunene; kodwa andimbuzanga apô avela kôna, naye akandixelelanga igama lakê;

7 Watî kum, Uyabona, uya kumitâ, uzale unyana; kengoko uz'ungaseli wayini nasiselo sinxilisayo, ungadli nanye into eyinqambî; ngokuba lenkwenkwe iya kuba ngu-Mahlulwa ka-Tîxo kwa sesizalweni kude kube ngumhla wokufa kwayo.

8 Watândaza-ke u-Manowa ku-Yehova, watî, Camagu, Nkosi yam, umntu ka-Tîxo owamtûmayo makakê abuye eze kutî, asifundise ukuba simtî-nina umntwana oya kuzalwa.

9 Walipûlapûla u-Tîxo izwi lika-Manowa; sabuya seza-ke isitûnywa sika-Yehova kumfazi lowo ehleli entsimini; u-Manowa indoda yakê inge naye.

10 Wakâuleza umfazi, wagidima, wayixelela indoda yakê, watî kuyo, Yabona, ubonakele kum lamntu ubeze kum lamhla.

11 Wesuka-ke u-Manowa, wamlandela umkakê, waya kulomntu, watî kuye, Ungulamntu-na ubetêtâ nomfazi? Watî, Ndinguye.

12 Watî u-Manowa, Ukuba litê lenzeka kaloku ilizwi lakô, loba yinto-nina isiko lalenkwenkwe nokwenza kwayo?

13 Satî isitûnywa sika-Yehova ku-Manowa, Kukô konke endikutêtîleyo kumfazi makazigcine.

14 Maze angadli nto ipûma em-diliyeni, angaseli wayini nasiselo sinxilisayo, angadli nanye into eyinqambî. Konke endimwisele umtêtô ngako makakugcine.

15 Watî u-Manowa kwisitûnywa sika-Yehova, Makê sikubambêzele, sikwenzele itakane le-bôkwe.

16 Satî isitûnywa sika-Yehova ku-Manowa, Nokuba undibambêzele, andiyi kudla ekudleni kwakô; ke ukuba wenza idini elinyukayo ku-Yehova, linyuse. Ngokuba u-Manowa ebengazi ukuba sisitûnywa sika-Yehova.

17 Watî u-Manowa kwisitûnywa sika-Yehova, Ungubanina igama; sikuzukise lakwenzeka ilizwi lakô?

18 Satî kuye isitûnywa sika-Yehova, Yinina lento ulibuzayo igama lam, libalulekile-nje.

19 Watâbatâ u-Manowa itakane le-bôkwe nomnikelo wokudla, wazinyusa ku-Yehova eweni; sona sisenza ngokumangalisayo; bebonela u-Manowa nomkakê.

20 Kwatî, ekunyukeni kwelangatye esibingelelweni lisinga ezulwini, senyuka isitûnywa sika-Yehova ngelangatye lesibingelelo; u-Manowa nomkakê bebona, bawa ngobuso emhlabeni.

21 Asabi sapinda sibonakale isitûnywa sika-Yehova ku-Manowa nomkakê. Wand'ukwazi u-Manowa ukuba sitûnywa sika-Yehova esi.

22 Watî u-Manowa kumkakê, Siya kufa ngenene, ngokuba simbonile u-Tîxo.

23 Watî umkakê kuye, Ukuba u-Yehova ubefuna ukusibulala, ange engalamkelanga esandleni setû idini elinyukayo nomnikelo wokudla, ange engasibonisanga zonke ezizinto, ange engasivisanga okunje ngexesha elinjengeli.

24 Wazala unyana umfazi lowo, watî igama lakê ngu-Samson; yakûla-ke inkwenkwe leyo, u-Yehova wayisikelela.

25 Waqala umoya ka-Yehova wamqûba ese-Mahane-dan,[1] pâkatî kwe-Tsora ne-Eshtawoli.

14 Wehla u-Samson, waya e-Timnata, wabona inkazana e-Timnata ezintombîni zama-Filisti.

2 Wenyuka, waxelela uyise nonina, watî, Ndibone inkazana e-Timnata ezintombîni zama-Filisti; kaloku-ke ndizekeleni ibe ngumfazi.

3 Batî kuye uyise nonina, Akukô nkazana ezintombîni zabazalwana bakô, nasebantwini bakowetû bonke-na, ukuba-nje ude uye kuzeka umfazi kuma-Filisti angalukileyo? Watî u-Samson kuyise, Ndizekele yona; ngokuba ndikoliwe yiyo.

4 Uyise nonina bebengazi ukuba ivela ku-Yehova lento; ngokuba ebefuna itûba lokubambâna nama-Filisti. Ngeloxesha ama-Filisti ebelaula kwa-Sirayeli.

[1] Iminquba-yakwa-Dan.

Digitized by Google

5 Wehla u-Samson noyise nonina, baya e-Timnata, bafika ezi-diliyeni zase-Timnata; nantso ingonyama entsha imkâulela igquma.

6 Wamfikela ngamandla umoya ka-Yehova, wayiqwenga, wanga uqwenga itakane, kungekô nto esandleni sakê; akakuxela kuyise nakunina akwenzileyo.

7 Wehla watêtâ nenkazana-leyo; yamkôlisa kunene u-Samson.

8 Wabuya kwakuba ntsuku, esiya kuyizeka; watyeka, wakângela isidûmbû sengonyama-leya; nalo ibubu lenyosi lisesidûmbîni sengonyama, kukô nobusi.

9 Wabutâbatâ, wapâtâ ngesandla, wahambâ, wahamb' esidla, waya kuyise nonina, wabanika, badla; akabaxelela ukuba ubusi ubutâbatê esidûmbîni sengonyama.

10 Wehla-ke uyise waya kulonkazana; u-Samson wenza umsitô kôna; ngokuba abesenje njalo amadodana.

11 Kwatî, bakumbona, bazisa abalingane abangamashumi omatâtû, baba naye.

12 Watî u-Samson kubo, Ndonijikela iqîna; ukuba nitê nandicombûlulela ngentsuku ezisixênxe zomsitô, nalifumana: ndoninika ingubo ze-linen entle ezingamashumi amatâtû, nengubo zokukûlulana ezingamashumi omatâtû;

13 Ke ukuba anitânga nibe nakô ukundicombûlulela: nondinika nina ingubo ze-linen entle ezingamashumi amatâtû, nengubo zokukûlulana ezingamashumi omatâtû. Batî kuye, Lijike iqîna lakô, silive.

14 Wati kubo,
Kodlayo kwapûma ukudla,
Konamandla kwapûma incasa.
Ababi nakô ukulicombûlula iqîna imihla emitâtû.

15 Kwatî ngosuku lwesixênxe, batî kumka-Samson, Yifwebeshe indoda yakô, isicombûlulele iqîna, hleze sikutshise wena nendlu kayihlo ngomlilo. Nisimemele ukuba nisihlwempuzise-na? akunjalona?

16 Umka-Samson wamlilela watî, Kodwa unditîyile, akunditândi; ubajikele iqîna onyana babantu bakowetû, akwandicombûlulela. Watî kuye, Yabona andibacombûlulelanga ubawo noma, ndicombûlulele wena-na?

17 Ke wamlilela intsuku zosixênxe ababe semsitweni ngazo. Kwatî ngolwesixênxe usuku wamcombûlulela, kuba ebemxinile. Waza yena waxelela onyana babantu bakowabo.

18 Atî kuye amadoda alomzi ngomhla wesixênxe, lingekatshoni ilanga, Yintonina enencasa ngapêzu kobusi? yintonina enamandla ngapêzu kwengonyama? Watî kuwo,
Ukuba beningalimanga ngetôkazi lam,
Ngeningalifumananga iqîna lam.

19 Wamfikela ngamandla u-moya ka-Yehova, wehla waya e-Ashkelon, wabulala kubo apô amashumi omatâtû amadoda, wawahluba ingubo, wanika abacombûluli beqîna-elo ingubo zokukûlulana. Wavutâ umsindo wakê, wenyuka waya endlwini kayise.

20 Ke umka-Samson waba ngowomlingane wakê, abemenze isihlobo sakê.

15 Kwatî kwakuba ntsuku, ngemihla yokuvuna inqôlowa, u-Samson wamvelela umkakê, enetakane le-bôkwe; watî, Ndiya kungena kumkam egumbîni; ke uyise womfazi ebengamvumeli ukuba angene.

2 Watî uyise womfazi, Bendiba umtîyile ngenene, ndamnika umlingane wakô; akamhle-na umsakwabo kunaye? Makabe ngowakô esikûndleni sakê.

3 Watî u-Samson kubo, Ndimsulwa okwesisihlandlo kuma-Filisti, xa nditê ndenza ububi kuwo.

4 Waya u-Samson wabambâ amakûlu omatâtû empungutye, watâbatâ izikûni ezivut'ayo, waziqâgamshela ngemisila, wafaka isikûni sasinye pâkati kwayo;

5 Walumeka ngomlilo ezikûnini, wazindulula zaya enqôloweni yama-Filisti, engekavunwa, watshisa etâbatêla ezitêni, wesa enqôloweni engekavunwa, wesa emiyezweni yeminquma.

6 Atî ama-Filisti, Ngubani-na lo wenze oku? Batî, Ngu-Samson umyeni wom-Timnata; ngokuba emtâbatîle umkakê, wamnika umlingane wakê. Enyuka ama-Filisti, amtshisa yena noyise ngomlilo.

7 Watî u-Samson kuwo, Ukuba nenje nje, inene, ndiya kuzipîndezelela kuni, ndandul'ukupêza.

8 Wawaxabela kakûlu îhleza netângā; wehla-ke, wahlala emqôrweni wengxondoba yase-Etam.

Digitized by Google

9 Enyuka ama-Filisti, amisa kwa-Yuda, ak'uluhlu e-Lehi.

10 Atĩ amadoda akwa-Yuda, Yinina ukuba ninyuke nize pĕzu kwetŭ? Atĩ wona, Sinyuke seza kukŏnxa u-Samson, senze kuye njengoko enze ngako kutĩ.

11 Ehla amadoda angamawaka amatâtŭ, evela kwa-Yuda, aya emqŏrweni wengxondoŕa yase-Etam, atĩ ku-Samson, Akwazi-na ukuba ama-Filisti ayasilaula? Yinto-nina le usenze yona? Watĩ kuwo, Njengoko enze ngako kum, ndenze ngako nam kuwo.

12 Atĩ kuye, Sihlē, sizē kukukŏnxa, ukuba sikunikele esandleni sama-Filisti. Watĩ u-Samson kuwo, Ndifungeleni, ukuba anikundibulala ngokwenu.

13 Atĩ kuye, Siya kukukŏnxa sikuqinise, sikunikele esandleni sawo, ukukubulala asiyi kukubulala. Amkŏnxa ngezintya ezintsha ezimbĩni, amnyusa engxondoŕeni.

14 Weza e-Lehi; ama-Filisti amkâulela eduma. Wamfikela ngamandla umoya ka-Yehova; izintya ebezisemikŏnweni yake zaba njenge-flakisi etshe ngumlilo, amakâmandela akĕ acombŭluka ezandleni zakĕ.

15 Wafumanana nomhlatĩ omtsha weesile, wasolula isandla, wawutâbatâ, wabulala ngawo iwaka lamadoda.

16 Watĩ u-Samson,

Ngomhlatĩ we-esile zigigaba, ngezigigaba,
Ngomhlatĩ we-esile ndisike iwaka lamadoda.

17 Kwatĩ, akugqiba ukutétâ, wawulahla umhlatĩ esandleni sakĕ, watĩ londawo yi-Ramati-lehi.[1]

18 Wanxanwa kakŭlu, wanqula u-Yehova, watĩ, Wena unike ngesandla somkŏnzi wakŏ usindiso olungaka. *Kanti* nanku ndiya kufa linxano, ndeyele esandleni sabangalukanga.

19 Wawucanda u-Tixo umgongxo ose-Lehi; kwapŭma amanzi kuwo; wasela, wabuya umoya wakĕ, wapĩla-ke. Ngenxa yoko watĩ igama lalondawo, Ngumtŏmbŏ womnquli, ose-Lehi, unanamhla.

20 Wawalaula ama-Sirayeli ngemihla yama-Filisti iminyaka emashumi mabini.

[1] Indulí-yomhlatí.

16 U-Samson waya e-Gaza, wabona kona inkazana elihenyukazi, wayilala.

2 Kwatĩwa kwabase-Gaza, U-Samson ungene apâ. Bamfaula, bamlalela ubusuku bonke esangweni lomzi; bati-cwaka ubusuku bonke, besitĩ, Kwakusa ngomso sombulala.

3 Walala u-Samson kwada kwaba pâkatĩ kobusuku; wavuka pâkatĩ kobusuku, wabambelela ezingcangweni zesango lomzi, nasemigubasini yomibini, wayincotŭla inomvalo, wayibeka emagxeni akĕ, wayitwâlela encotsheni yentaba pâmbĩ kwe-Hebron.

4 Kwatĩ emveni koko, watânda inkazana esihlanjeni sase-Shoreki; igama layo lingu-Delila.

5 Zenyuka zaya kuyo izikŭlu zama-Filisti, zatĩ kuyo, Mfwebeshe, ubone ukuba aseninina lamandla akĕ angaka, nokuba singameyisa nganto-nina, simkŏnxe ukuze simtŏbe: sokunika tĩna elowo iwaka elinekŭlu le-silivere.

6 Watĩ u-Delila ku-Samson, Kâundixelele ukuba asenini-na lamandla akŏ angaka, nokuba ungakŏnxwa nganto-nina, ukuze uqŏtywe?

7 Watĩ u-Samson kuye, Ukuba batĕ bandibopâ ngentambŏ ezisixĕnxe ezintsha ezingomanga: ndotĩ-fehle, ndibe njengomnye umntu.

8 Izikŭlu zama-Filisti zenyuka, zamzisela intambŏ ezisixĕnxe ezintsha ezingomanga; wamkŏnxa ngazo.

9 Ke abalaleli babehleli naye egumbĩni. Watĩ kuye, Ama-Filisti apĕzu kwakŏ, Samson. Wazijaca intambŏ kwanga kujaceka kwentsontĕlo ye-flakisi yakuva umlilo; akaziwa-ke amandla akĕ.

10 Watĩ u-Delila ku-Samson, Yabona, udlale ngam, wandixokisa; kâundixelele kaloku, ukuba ungakŏnxwa nganto-nina.

11 Watĩ kuye, Ukuba batĕ ukundikŏnxa bandikŏnxa ngentsontelo ezintsha ekungasetyenzwanga msebenzi ngazo: ndotĩ-fehle, ndibe njengomnye umntu.

12 U-Delila watâbatâ intsontelo ezintsha, wamkŏnxa ngazo, watĩ kuye, Ama-Filisti apĕzu kwakŏ, Samson. Ke abalaleli babehleli egumbini. Wazijaca emikŏnweni yakĕ njengomsonto.

13 Watĩ u-Delila ku-Samson, Udlale ngam unangoku, undixokisa; ndixelele,

Digitized by Google

ungakônxwa nganto-nina? Watî kuye, Ukuba utê waluka izihlwitâ ezisixênxe zentloko yam ngemisonto yokuluka.

14 Waziqinisa ngesikônkwane, watî kuye, Ama-Filisti apêzu kwakô, Samson. Wavuka ebutôngweni bakê, wasincotûla isikônkwane sokuluka kwa nemisonto yaso.

15 Watî kuye, Ungatî-nina ukutî, Uyanditânda, ukanti intliziyo lakô ayinam? undikôhlisile ezizihlandlo zozitâtû, akwandixelela ukuba asenini-na lamandla akô angaka.

16 Kwatî, akumxina ngamazwi akê zonke imini, emmele, wakatâzeka umpêfumlo wakê, wasingisa ekufeni.

17 Wamxelela intliziyo yakê yonke, watî kuye, Isitshetshe sokucêba asizanga sisondele entloko yam; ngokuba ndingu-Mahlulwa ka-Tixo kwasesizalweni sikamá. Ukuba nditê ndacêtywa: osuka kum amandla am, nditî-fehle, ndibe njengabantu bonke.

18 Wabona u-Delila ukuba umxelele yonke intliziyo yakê, watûmela wabiza izikûlu zama-Filisti, esitî, Nyukani esisihlandlo, ngokuba undixelele yonke intliziyo yakê. Zenyuka-ke zaya kuye izikûlu zama-Filisti, zenyuka zine-mali esandleni sazo.

19 Wamlalisa ematângêni akê, wabiza umntu, wazicêba izihlwitâ zosixênxe zentloko yakê, waqala-ke ukumqôba; emka-ke amandla akê kuye.

20 Watî, Ama-Filisti apêzu kwakô, Samson. Wavuka ebutôngweni, watî, Ndiya kupûma esisihlandlo njengezinye izihlandlo, ndizivutûlule. Wayengazi yena, ukuba u-Yehova umkile kuye.

21 Ambambâ ama-Filisti, amṙuṙa amehlo; ehla naye aya e-Gaza, amkônxa ngamakâmandela obêdu amabini, waba ngumsili endlwini yamakônxwa.

22 Zaqala inwele zentloko yakê zahluma emva kokuba wayecêtyiwe.

23 Izikûlu zama-Filisti zahlanganiselwa ukuba zibingelele umbingelelo omkûlu ku-Dagon utîxo wazo, zivuye; zatî, Utîxo wetû umnikele esandleni setu u-Samson utshaba lwetû.

24 Bambona abantu, badumisa utîxo wabo; ngokuba bebesitî, Utîxo wetû ulunikele esandleni setû utshaba lwetû, umtshabalalisi welizwe letû, obenze babaninzi ababuleweyo kutî.

25 Kwatî, xa intliziyo yabo icwâyitileyo, batî, Bizani u-Samson, asihlekise. Bambiza-ke u-Samson endlwini yamakônxwa; wapûma wahlekisa pâmbi kwabo. Bammisa pâkatî kwentsika.

26 Watî u-Samson kumfana ombambê ngesandla, Ndiyeke, ndizive intsika emi ngazo indlu, ndayame ngazo.

27 Ke indlu ibizele ngamadoda nabafazi; bezikôna zonke izikûlu zama-Filisti, pêzu kopâhla kwakuhleli amawaka omatâtû amadoda nabafazi bebonela ukuhlekisa kuka-Samson.

28 U-Samson wanqula u-Yehova watî, Nkosi yam, Yehova kâundikûmbûle. kâundomeleze okwesisihlandlo sodwa, Tîxo, ndipîndezele kuma-Filisti impindezelo nokuba inye ngenxa yamehlo am omabini.

29 Waziwola u-Samson zombîni intsika ezipâkatî, emi ngazo indlu-leyo, wacinezela kuzo, enye ngesandla sokunene, enye ngesokôhlo.

30 Watî u-Samson, Mandife nama-Filisti. Watôba ngamandla; yawa indlu pêzu kwezikûlu, napêzu kwabantu bonke ababe kuyo. Batî abafi, awababulala ekufeni kwakê, baba baninzi kunabafi awababulala esapîlile.

31 Behla abazalwana bakê nendlu kayise yonke, bamtâbatâ, bamnyusa, bamncwâbela pâkatî kwe-Tsora ne-Eshtawoli encwâbeni lika-Manowa uyise. Wawalaula yena ama-Sirayeli iminyaka emashumi mabini.

17 Kwaye kukô indoda yelasezintabeni zakwa-Efrayim egama lingu-Mika-yehu.

2 Yatî kunina, Iwaka le-silivere elinakûlu-nye elalitâtyatwê kuwe, owashwabula ngenxa yalo, kananjalo watêtâ ngalo ezindlebeni zam, yabona, i-silivere-leyo inam; yatâtyatwa ndim. Watî unina, Usikelelwe, nyana wam, ngu-Yehova.

3 Walibuyisela kunina iwaka le-silivere elinakûlu-nye. Watî unina, Ndiyingcwalisîle yonke i-silivere-leyo ku-Yehova, ipûma esandleni sam ukuba ibe yeyonyana wam, enze umfanekiso oqingqiweyo nomtŷido; ndiyibuyisela kuwe-ke ngoko.

4 Wayibuyisela-ke kunina i-silivere. Wawatâbatâ unina amakûlu omabini esilivere, wawanika umnyibilikisi, wenza

Digitized by Google

ngawo umfanekiso oqingqiweyo nomtŷido; waba sendlwini ka-Mika-yehu.

5 Indoda-leyo ingu-Mika ibinendlu yotîxo, yayenze i-efodi nemilonde-kâya, yayizalise isandla somnye konyana bayo, waba ngumenzeleleli wayo.

6 Ngalomihla bekungekô kumkani kwa-Sirayeli; elowo wenza oko kutê-tye emehlweni akê.

7 Kekaloku kwakukô umfana wase-Betelehem yakwa-Yuda, wasemlibeni wakwa-Yuda, ongum-Levi, engumpâmbûkeli kôna.

8 Yahambâ indoda-leyo, isuka kulomzi e-Betelehem yakwa-Yuda, yaya kupâmbûkela apô ingafumana indawo. Yafika kwelentaba lakwa-Efrayim endlwini ka-Mika; ihambâ uhambô lwayo.

9 Watî u-Mika kuyo, Uvela pîna? Yatî kuye, Ndingum-Levi wase-Betelehem yakwa-Yuda; ndiya kupâmbûkela apô ndingafumana indawo.

10 Watî u-Mika kuyo, Hlala nam, kum ube ngubawo nomenzeleleli, ndokunika mna ishumi le silivere ngonyaka, ndikuxâse ngento ez ngubo nekukudla. Wayake um-Levi lowo.

11 Kwakôleka kum-Levi ukuhlala nalendoda. Lomfana waba njengomnye wonyana bayo kuyo.

12 Wasizalisa u-Mika isandla som-Levi lowo; waba ngumenzeleleli kuye umfana lowo, wasendlwini ka-Mika.

13 Watî u-Mika, Kaloku ndiyazi ukuba u-Yehova uya kundenzela okulungileyo; ngokuba ndinomenzeleleli ongum-Levi.

18 Ngalomihla bekungekô kumkani kwa-Sirayeli. Ngalomihla isizwe sakwa-Dan besizifunela ilifa lendawo yokuhlala; ngokuba kwada kwangulomhla singabelwanga lifa sona ngeqashiso pâkatî kwesizwe sakwa-Sirayeli.

2 Onyana baka-Dan besusa kumlibo wakowabo amadoda amahlanu, evela kwinani lawo lonke, amadoda anoburoti ase-Tsora nase-Eshtawoli, ukuba alihlole ilizwe, aligocagoce. Batî kuwo, Hambâni niligocagoce ilizwe. Afika kwelentaba lakwa-Efrayim endlwini ka-Mika, alala kôna.

3 Akubon' ukuba angasendlwini ka-Mika, alifanisa izwi lendodana engum-Levi, apâmbukela kôna, atî kuye, Uziswe ngubanina apâ? Wenza nto-nina kulendawo? Unganto-nina apâ?

4 Yatî kuwo, Wenje nje, wenje nje u-Mika kum; wandiqesha, ndangumenzeleleli kuye.

5 Atî kuyo, Kâubuze ku-Tîxo, sazi ukuba iya kuba nempumelelo-na indlela yetû esihambêla yona?

6 Watî umenzeleleli kuwo, Hambâni ninoxolo, ipâmbî ko-Yehova indlela yenu eniya kuhambâ ngayo.

7 Ahambâ-ke amadoda amahlanu afika e-Layishe; ababona abantu ababâkatî kwayo, behleli bonwabile ngokwesiko lama-Tsidon, bezolile bonwabile; kungekô uwôna nganto kubapâtî belozwe; babekude kuma-Tsidon, bengatê-ni nabani.

8 Afika kubazalwana bawo e-Tsora ne-Eshtawoli. Batî abazalwana bawo kuwo, Nitê-nina?

9 Atî, Sukani, sinyuke siye kubo; ngokuba silibonile ilizwe; nalo lilihle kunene, ke nitê-qutu. Musan' ukunqena ukuhambâ niye kulihlutâ ilizwe-elo.

10 Xa nitê nafika, nofika kubantu abonwabileyo, kwilizwe elipângaleleyo ngamacala omabini; ngokuba u-Tîxo ulinikele ezandleni zenu kwindawo apô kungasweleke nanye into esemhlabeni.

11 Kwanduluka-ke kumlibo wakwa-Dan, e-Tsora nase-Eshtawoli, amadoda angamakûlu omatândatû exôbe impahla yemfazwe.

12 Enyuka-ke, amisa e-Kiriyati-yeharim yakwa-Yuda, ngenxa yoko batî londawo yi-Mahane yakwa-Dan unanamhla. Nantso isemva kwe-Kiriyati-yeharim.

13 Agqitâ aya kwelentaba lakwa-Efrayim, afika endlwini ka-Mika.

14 Kekaloku apêndula amadoda amahlanu, abeze kulihlola ilizwe lase-Layishe, atî kubazalwana bawo, Niyazi-na ukuba kwezizindlu kukô i-efodi, nemilondekâya nomfanekiso oqingqiweyo, nomtŷido? kengoko kuqondeni eniza kukwenza.

15 Apâmbûkela kôna, angena endlwini yendodana engum-Levi, endlwini ka-Mika, ayibuza ukupîla kwayo.

16 Atî amadoda angamakûlu amatândatu axôbe impahla zemfazwe, akonyana bakwa-Dan, ema ekungeneni kwesango.

17 Anyuka lamadoda mahlanu abeye kulihlola ilizwe, aya kôna, awutâbatâ umfa-

Digitized by Google

nekiso oqingqiweyo, ne-efodi, nemilonde-kâya, nomtŷido; waye umenzeleleli-lowo emi ekungeneni kwesango namadoda angamakûlu amatândatû axôbe impahla zemfazwe.

18 Akuba engene endlwini ka-Mika lawa, ewutâbatîle umfanekiso oqingqiweyo, i-efodi, nemilonde-kâya, nomtŷido, etê umenzeleleli kuwo, Nenza-ni?

19 Atî kuye, Yitî-tu, beka isandla sakô emlonyeni wakô, uhambê natî, ube ngubawo nomenzeleleli kutî. Kulungile-na ukuba ube ngumenzeleleli wendlu yamntumnye, kunokuba ube ngumenzeleleli wesizwe nomzalwana kwa-Sirayeli?

20 Yacŵayita intliziyo yomenzeleleli, wayitâbatâ i-efodi nemilonde-kâya nomfanekiso oqingqiweyo, weza pâkatî kwabantu-abo.

21 Ajika-ke, ahambâ, azibeka intsapo nemfuyo nezinto ezizukileyo pâmbi kwawo.

22 Akuba kude nendlu ka-Mika wona, atî amadoda asezindlwini ezingakweka-Mika indlu ahlabelana umkôsi, eza afumanana nonyana baka-Dan.

23 Amemeza konyana baka-Dan; baguquka ngobuso, batî ku-Mika, Ukâtâzwa yinina uhlaba umkôsi-nje?

24 Watî yena, Otîxo bam endabenzayo nibatâbatîle, nemka naye nomenzeleleli wam, ndisenanto-nina? Nitsho nganinake ukutî kum, Ukatâzwa yinina?

25 Batî kuye onyana baka-Dan, Mus' ukulivakalisa izwi lakô kutî, hleze akugqibele amadoda ampêfumlo ulugcalagcala, asuse umpêfumlo wakô nompêfumlo wendlu yakô.

26 Bahambâ-ke ngendlela yabo onyana baka-Dan. Wabona u-Mika ukuba bomelele kunaye, wajika wabuyela endlwini yakê.

27 Bayitâbatâ-ke bona into abeyenzile u-Mika, nomenzeleleli-lowo abe naye; bafika e-Layishe kubantu abazolileyo abonwabileyo, bababulala ngohlangotî lwerele, bawutshisa umzi ngomlilo.

28 Bekungekô mhlanguli, ngokuba bekude nowase-Tsidon, bengatê-ni nabani, besentilini esingise e-Bete-rehobi. Bakâ umzi, bahlala kôna.

29 Batî igama lalomzi ngowakwa-Dan ngegama lika-Dan uyise, owazalelwa u-Sirayeli; kodwa igama lalomzi beliyi-Layishe ngenx' engapâmbili.

30 Baza onyana baka-Dan bazimisela umfanekiso oqingqiweyo-lowo; u-Yonatan unyana ka-Gershom, unyana ka-Manase, yena nonyana bakê baba ngabenzeleleli esizweni sakwa-Dan kwada kwayimini yokutînjwa kwelizwe.

31 Bazimisela-ke umfanekiso oqingqiweyo ka-Mika abewenzile, yonke imihla ebisese-Shilo indlu ka-Tîxo.

19 Kwatî ngalomihla, kungekô kumkani kwa-Sirayeli, kwabakô indoda engum-Levi epâmbûkele ezintlomeni zentaba zelakwa-Efrayim, yazeka umfazi olishweshwe e-Betelehem yakwa-Yuda.

2 Lahenyuza likuyo ishweshwe layo, lemka kuyo, laya endlwini yoyise walo e-Betelehem yakwa-Yuda; lakôna imihla ezinyanga ezine.

3 Yesuka indoda yalo, yalipûtûma ukuba itêtê kakuhle nalo ilibuyise, inomfana nama-esile amabîni. Layingenisa endlwini yoyise walo. Wayibona uyise wentombâzana leyo, wakuvuyela ukuhlangana nayo.

4 Wayigcina uyise womfazi, uyise wentombâzana-leyo; yahlala naye imihla yamitâtû, badla, basela, balala kôna.

5 Kwatî ngomhla wesine, bavuka kusasa; yesuka yona ukuba imke. Watî uyise wentombâzana kumyeni wayo, Kâuxâse intliziyo yakô ngeqêkeza lesonka, nandule ukuhambâ.

6 Bahlala-ke badla bobabini ndawonye, basela. Watî uyise wentombâzana kwindoda, Makê kukôleke kuwe, ulale, icŵayite intliziyo yakô.

7 Yesuka indoda-leyo ukuba ihambê; wayijoka uyise womkayo, yabuya yalala kôna.

8 Yavuka kusasa ngomhla wesihlanu ukuba ihambê. Watî uyise wentombâzana, Kâuxâse intliziyo yakô, nizilazile ide ijike imini; badla-ke bobabini.

9 Yesuka indoda ukuba imke, yona neshweshwe layo nomfana wakuyo. Watî kuyo uyise womkayo, uyise wentombâzana, Kâukângele, imini iyemka, kuyahlwa; kânilale; yabona, imini isangene, lala apâ, icŵayite intliziyo yakô, nivuke kusasa ngomso, nihambê ngendlela yenu, uye en-tenteni yakô.

10 Ayavuma ukulala indoda-leyo, yesuka yemka; yafika malungana ne-Yebusi,

Digitized by Google

yi-Yerusalem ke-leyo, inama-esile amabini ebotshiwe, ineshweshwe layo.

11 Xa babengase-Yebusi, imini yayiseyitâmbâmile kakûlu; watî umfana kwinkosi yakê, Kâuze sipâmbûkele kulomzi wama-Yebusi, silale kuwo.

12 Yatî kuye inkosi yakê, Asiyi kupâmbûkela apâ kumzi wolunye uhlanga, onge ngowonyana baka-Sirayeli; sodlula siye e-Gibeha.

13 Yatî kumfana wakuyo, Yiza, sisondele kwenye indawo, silale; nokuba kuse-Gibeha, nokuba kuse-Rama.

14 Bagqitâ, bahambâ; batshonelwa lilanga ecaleni lase-Gibeha yakwa-Benyamin.

15 Bapâmbûkela apô, baya kulala e-Gibeha; yafika yahlala endaweni yokubutâ kwamadoda omzi; akwabikô mntu ubamkelela endlwini yakê, ukuba balale.

16 Kwati-tû indoda enkulu ivela emsebenzini wayo, emasimini ngokuhlwa; iyindoda yelasezintabeni lakwa-Efrayim, ingumpâmbûkeli e-Gibeha; ke amadoda alomzi abe ngama-Benyamin.

17 Yawapâkâmisa amehlo ayo, yabona ndoda ingumhambî endaweni yokubutâ kwamadoda omzi, yatî indoda enkulu leyo, Uya ngapîna? Uvela pîna?

18 Yatî kuyo, Siyagqitâ, sivela e-Betelehem yakwa-Yuda; siya ezintlomeni zentaba zakwa-Efrayim, endingowakôna; bendihambêle e-Betelehem yakwa-Yuda, ngoku ndihambela endlwini ka-Yehova; akukô bani undamkelela endlwini yakê apâ.

19 Kanti-ke sinomququ kwa ne-fula yama-esile etu, nesonka ne-wayini eyiyeyam, nomkônzazana wakô, nomfana okubakônzi bakô, akusweleke nto.

20 Yatî indoda enkulu, Uxolo malube nawe; ke ukuswela kwakô konke makube pézu kwam; kodwa mus'ukulala endaweni yokubutâ kwamadoda omzi.

21 Yayingenisa endlwini yayo, yawanika ama-esile i-fula; bazihlambâ inyawo zabo, badla, basela.

22 Bakubon' ukuba bayazicWayitisa intliziyo zabo, nango amadoda alomzi, amadoda angamatshijolo, eyifaula indluleyo, emana enqonqoza elucangweni, atsho kwindoda enkulu engumnini-ndlu, ukutî, Yikûpê indoda engene endlwini yakô, siyazi.

23 Yapûma indoda engumnini-ndlu, yaya kuwo, yatî kuwo, Hayi, bazalwana bam, hayi musan' ukukê nenze into embî. Emveni kokuba lendoda ingene endlwini yam, musan' ukwenza obubudenge.

24 Nantsi intombî yam eyintombî, neshweshwe *lalendoda;* makê ndikûpê bona, nibône, nenze kubo okulungileyo emehlweni enu; ke kulendoda zeningenzi nto yobubudenge.

25 Akavuma lomadoda ukumpûlapûla. Yalibambâ indoda ishweshwe layo, yalikûpêla pândle kuwo; alazi, afeketâ ngalo bonke ubusuku kwada kwasa; alindululla ngesifingo.

26 Yafika inkazana-leyo, xa kusayo, yawa emnyango wendlu yendoda apô yayikôna inkosi yayo, kwada kwamhlope.

27 Yavuka inkosi yayo kusasa, yazivula ingcango zendlu, yapûma ukuba ihambê ngendlela yayo; nantso lenkazana ilishweshwe layo iwile emnyango walondlu, nezandla zayo zisembundwini *wawo.*

28 Yatî kuyo, Vuka sihambê; ayapêndula. Yayitâbatâ yayibeka pézu kwe-esile; yesuka londoda, yasinga endaweni yayo.

29 Yafika endlwini yayo, yatâbatâ isitshetshe, yalibambâ ishweshwe layo, yalityatya ngokwamatâmbô alo lazinyama ezilishumi elinambini, yalitûmela kuyo yonke imida yakwa-Sirayeli.

30 Ukuze bonke ababona oko batî, Okunje akuzanga kubekô, akuzanga kubonwe kususela kumhla abanyuka ngawo onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa, unanamhla; kubekeleni intliziyo zenu oku, nicebe, nitêtê.

20 Bapûma-ke bonke onyana baka-Sirayeli, labizelwa ndawonye lonke ibandla njengandoda-nye, latâbatêla kwa-Dan, lesa e-Ber-sheba, nelizwe lase-Giliyadi, laya ku-Yehova e-Mitspa.

2 Zema izibonda zabantu bonke, zezizwe zonke zakwa-Sirayeli ebandleni labantu baka-Tîxo, abangamawaka angamakûlu amane amadoda angumqikela afola ifele.

3 Beva onyana baka-Benyamin, ukuba onyana baka-Sirayeli benyukile beza e-Mitspa. Batî onyana baka-Sirayeli, Têtâni, itê-nina ukubakô lento inje ukubambî?

4 Yapêndula indoda-leyo, ingum-Levi, indoda yalonkazana incinitiweyo, yatî,

Digitized by Google

Ndafika e-Gibeha ekwa-Benyamin, mna neshweshwe lam salalisa kôna.

5 Abemi base-Gibeha bandivunukela, bayifaula indlu ngenxa yam ebusuku; bagqiba kwelokundibulala; balidlwengula ishweshwe lam, lafa.

6 Ndalibambå ishweshwe lam, ndalityatya, ndalitûmela kwilizwe lonke lelifa lakwa-Sirayeli; ngokuba benze amanyala nobudenge kwa-Sirayeli.

7 Nanko-ke nina nonke, bonyana baka-Sirayeli, kûpâni ilizwi necebo apå.

8 Besuka bonke abantu njengendod' enye, batî, Asiyi kuya elowo en-tenteni yakê, asiyi kupâmbûkela elowo endlwini yakê;

9 Kengoko, nantsi into esiya kwenza yona kwi-Gibeha; siya kwenza kuyo ngokweqashiso,

10 Sitâbatê ishumi lamadoda ekûlwini ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, ikûlu ewakeni, iwaka emawakeni alishumi; ukuya kutâbatêla abantu umpâko, ukuze ekufikeni kwabo e-Gibeha yakwa-Benyamin bohlwaywe njengobudenge bonke ababenzileyo kwa-Sirayeli.

11 Ahlanganisana-ke onke amadoda akwa-Sirayeli kulomzi ebandakanyiwe njengendod'enye.

12 Izizwe zakwa-Sirayeli zatûma amadoda kwimizalwane yonke yakwa-Benyamin, zisitî, Bububi bunina-obu benziweyo pâkatî kwenu?

13 Etêni kaloku-nje lomadoda angamatshijolo ase-Gibeha, siwabulale, sitshayele ububi bungabikô kwa-Sirayeli. Abavuma-ke onyana baka-Benyamin ukulipûlapûla izwi labazalwana babo, onyana baka-Sirayeli.

14 Onyana baka-Benyamin bahlanganisana e-Gibeha, bepûma emizini, besiya kulwa nonyana baka-Sirayeli.

15 Babalwa onyana baka-Benyamin ngalomhla bepûma emizini: bangamadoda angamashumi amabini anamatåndatû amawaka afola ifele, ngapåndle kwabemi base-Gibeha ababalwayo bangamadoda ahleliweyo angamakûlu asixênxe.

16 Kwababantu bonke bekukô amakûlu asixênxe amadoda ahleliweyo angamanxele, onke enokusaula ngelitye, acâne angapôsi.

17 Ke amadoda akwa-Sirayeli ngapåndle kwama-Benyamin abebalwe angamawaka angamakûlu amane amadoda afola ifele; onke lawo ingamadoda okulwa.

18 Besuka, benyuka baya e-Beteli, babuza ku-Tîxo; batî onyana baka-Sirayeli, Kunyuke banina kutî aqale ukulwa nonyana baka-Benyamin? Watî u-Yehova, Makuqale u-Yuda.

19 Besuka onyana baka-Sirayeli kusasa, bayingqinga i-Gibeha.

20 Apûma amadoda akwa-Sirayeli, aya kulwa nama-Benyamin. Amadoda akwa-Sirayeli ak' uluhlu lokulwa nawo ngase-Gibeha.

21 Bapûma onyana baka-Benyamin e-Gibeha, bavunela pântsi ngalomini kuma-Sirayeli amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

22 Bazomeleza abantu, amadoda akwa-Sirayeli, bapînda bak'uluhlu lokulwa kwasendaweni ababek' uluhlu kuyo ngomhla wokuqala.

23 Benyuka onyana baka-Sirayeli, balila pâmbî ko-Yehova, kwada kwahlwa; babuza ku-Yehova, batî, Ndipinde-na ndisondele ekulweni nonyana baka-Benyamin umzalwana wam? Watî u-Yehova, Nyukani niye kubo.

24 Basondela onyana baka-Sirayeli konyana baka-Benyamin ngomhla wesibini.

25 Apûma ama-Benyamin e-Gibeha, aya kubahlangabeza ngomhla wesibini, abuya avunela pântsi konyana baka-Sirayeli ishumi elinesibôzo lamawaka amadoda; onke lawo afola ifele.

26 Benyuka bonke onyana baka-Sirayeli, bonke abantu, baya e-Beteli, balila, bahlala kôna pâmbî ko-Yehova, bazila ukudla lomini kwada kwahlwa, banyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo pâmbî ko-Yehova.

27 Babuza onyana baka-Sirayeli ku-Yehova (wawukôna umkômbê womnqopîso ka-Yehova ngalomihla;

28 U-Pinehasi unyana ka-Elazare, unyana ka-Aron, emi pâmbî kwawo ngalomihla), besitî, Ndibuye ndipînde, ndipûme ndiye kulwa nonyana baka-Benyamin umzalwana wetû, ndiyeke kusinina? Watî u-Yehova, Nyukani, ngokuba ngomso ndiya kumnikela esandleni senu.

29 Ama-Sirayeli abeka abalaleli e-Gibeha ngenxa zonke.

30 Benyuka onyana baka-Sirayeli baya

Digitized by Google

konyana baka-Benyamin ngomhla wesitâtû, bakâ uluhlu lokulwa e-Gibeha, njengokweminye imihla.

31 Bapûma onyana baka-Benyamin baya kubahlangabeza abantu, beqâukene nomzi, baqala ukubulala ebantwini njengokweminye imihla, emendweni, otî omnye unyuke uye e-Beteli, utî omnye uye e-Gibeha emapândleni, bahlaba amadoda kwa-Sirayeli akumashumi amatâtû.

32 Batî onyana baka-Benyamin, Babulewe pâmbî kwetû njengasekuqaleni; ke onyana baka-Sirayeli babesitî, Masifole, sibaqâule kuwo umzi, beze emendweni.

33 Asuka onke amadoda akwa-Sirayeli endaweni yawo, akâ uluhlu e-Bahali-tamare; abalaleli bama-Sirayeli batî-cîtitî endaweni yabo, etâfeni lase-Geba.

34 Kwavela malungana ne-Gibeha ishumi lamawaka amadoda ahleliweyo kuma-Sirayeli onke; ukulwa kwashushu; babengazi bona ukuba ububi bubafikele.

35 U-Yehova wawabulala ama-Benyamin pâmbî kwama-Sirayeli. Onyana baka-Sirayeli batshabalalisa kwa-Benyamin ngalomini amashumi amabini anesihlanu amawaka anekûlu lamadoda; lawo onke ngafola ifele.

36 Kekaloku onyana baka-Benyamin babona ukuba boyisiwe, ukuba amadoda akwa-Sirayeli ayehlehla pâmbî kwama-Benyamin, ngokuba abekôlose ngabalaleli, ababebabeke e-Gibeha.

37 Abalaleli bakâuleza, bagaleleka e-Gibeha, batsalela kuyo abalaleli, bawubulala wonke umzi ngohlangotî lwefele.

38 Kekaloku ibûnga lamadoda akwa-Sirayeli nabalaleli laye libe lelokutî, Qûmisani kakûlu umsi, unyuke kulomzi.

39 Ajika-ke amadoda akwa-Sirayeli ekulweni, akuba ebeqalile ama-Benyamin ukubulala inxwêlefa pâkatî kwamadoda akwa-Sirayeli amadoda akumashumi amatatu; ngokuba abesitî, Abetiwe ngenene wona pâmbî kwetû, njengokulwa kokuqala;

40 Wakuba umsi uqalile ukunyuka emzini, ungumqulu womsi, ama-Benyamin abêka emva kwawo, nango umzi wonke unyuka usiya ezulwini ungumsi.

41 Apêtûla amadoda akwa-Sirayeli, akwanqiswa amadoda akwa-Benyamin; ngokuba abona ukuba afikelwe bububi.

42 Ajika-ke pâmbî kwamadoda akwa-Sirayeli, abêka endleleni yentlango. Ukulwa kwatâna-mbênde nawo, besuka nabemi bemizi, bawatshabalalisa kuyo.

43 Bawarâula ama-Benyamin, bawasukela, bawanyatêlela pântsi endaweni yokupûmla, besa malunga ne-Gibeha ngecala elipûma ilanga.

44 Kwawa kuma-Benyamin ishumi elinesibôzo lamawaka amadoda; onke-ke lawo ingamadoda anoburoti.

45 Ajika-ke, asabela entlango, engxondofeni ye-Rimon. Bacôlacôla-ke kuwo emendweni amahlanu amawaka amadoda; batâna-mbênde nawo bada besa e-Gidyom, babulala kuwo amawaka amabini amadoda.

46 Atî-ke onke awawayo kuma-Benyamin ngalomini angamashumi amabini anesihlanu amawaka, ingamadoda afola ifele; onke-ke lawo aye ngamadoda anoburoti.

47 Ke ajika asabela entlango engxondofeni e-Rimon engamakûlu amatândatû amadoda, ahlala engxondofeni ye-Rimon apô inyanga zane.

48 Amadoda akwa-Sirayeli abuyela konyana baka-Benyamin, abulala ngohlangotî lwefele, etâbatêla kumzi, kumadoda-ke kwanenkomo, esa kwinto yonke efumanekayo napî. Kananjalo imizi yonke efunyenweyo ayifaka umlilo.

21 Kekaloku amadoda akwa-Sirayeli abefungile e-Mitspa, esitî, Akukô kutî uyakunika um-Benyamin intombî yake ibe ngumfazi.

2 Baya abantu e-Beteli, bahlala kôna kwada kwahlwa pâmbî ko-Tîxo, balipâkamisa izwi labo, batsho ngesililo esikûlu.

3 Batî, Kunganina, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, ukutî kuhle oku kwa-Sirayeli, ukuba esinye isizwe singabikô namhla kwa-Sirayeli?

4 Kwatî ngengomso, bavuka kusasa abantu, bakâ isibingelelo kôna, benyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo.

5 Batî onyana baka-Sirayeli, Ngubanina ezizweni zonke zakwa-Sirayeli onganyukanga eze ebandleni ku-Yehova? Ngokuba ubefungelwe kakûlu onganyukanga eze ku-Yehova e-Mitspa, ngokutî, Makabulawe afe.

6 Bebezohlwaya onyana baka-Sirayeli ngenxa ka-Benyamin umninawa wabo,

Digitized by Google

besitî, Namhla sinqanyulwe esinye isizwe kwa-Sirayeli;

7 Siya kubatî-nina abaseleyo ngabo abafazi? sifungē u-Yehova-nje tîna, ukuba asiyi kubanika ezintombîni zetû zibe ngabafazi.

8 Batî-ke, Sisipîna isizwe sakwa-Sirayeli esinganyukanga size ku-Yehova e-Mitspa? Nanko-ke e-Yabeshe-yase-Giliyadi kungezanga ndoda eminqubeni, ebandleni.

9 Babalwa abantu, nanko kungabangakô nanye indoda yabemi be-Yabeshe-yase-Giliyadi kôna.

10 Ibandla latûmela kôna ishumi elinamabini amawaka amadoda kubafo abanoburoti, lawawisela umtêtô, lisitî, Hambâni niye kubulala abemi base-Yabeshe yase-Giliyadi ngohlangotî lwerele, abafazi nabantwana.

11 Nantsi into enoyenza: yonke into eyindoda, nento yonke eyinkazana eyazene nendoda ngokulalwa yiyo, noyisingela pântsi.

12 Afumana kubemi base-Yabeshe yase-Giliyadi amankazana angamakûlu amane azintombî angazani nadoda ngokulala nayo, awazisa eminqubeni e-Shilo eselizweni lama-Kanan.

13 Latûmela lonke ibandla, latêtâ nonyana baka-Benyamin abebe sengxondoleni ye-Rimon, lamemeza kubo latî, lixolile.

14 Abuya-ke ama-Benyamin ngeloxesha; lawanika amankazana ebeliwasindisile kumankazana ase-Yabeshe yase-Giliyadi; akawalingana, noko angako.

15 Abantu bazohlwaya ngenxa ka-Benyamin; ngokuba u-Yehova ebenze utânda ezizweni zakwa-Sirayeli.

16 Atî amadoda amakûlu ebandla, Siya kubatî-nina abaseleyo ngabafazi? etshabalele-nje amankazana kwa-Benyamin?

17 Atî, Ilifa labasindileyo malibe lelakwa-Benyamin, kungacinywa sizwe kwa-Sirayeli.

18 Ke tîna asinakubanika bafazi ezintombîni zetû; ngokuba onyana baka-Sirayeli bafungile besitî, Uqalekisiwe onika um-Benyamin umfazi.

19 Atî, Niyabona kukô umtêndeleko ka-Yehova iminyaka ngeminyaka e-Shilo, engase-Ntla ye-Beteli, ngasempûmalanga kumendo ovela e-Beteli onyuka uye kwa-Shekem, nangase-Zantsi kwe-Lebona.

20 Abawisela onyana baka-Benyamin umtêtô, esitî, Hambâni nokulalela ezi-diliyeni;

21 Yabonani, nikângele, ukuba zitê zapûma intombî zase-Shilo zingqungqa, zibet' ingqongqo, zenipûme ezi-diliyeni, nizitêle-hlasi elowo umkakê ezintombîni zase-Shilo, niye ezweni lakwa-Benyamin.

22 Kotî, xa oyise nabanakwazo baze kubambâna natî, sitî kubo, Sibabaleni ngazo; ngokuba singabatâbatêlanga elowo umkakê ekulweni; ngokuba anibanikanga nina, okanye beniya kuba netyala.

23 Benje njalo onyana baka-Benyamin, bazeka abafazi ngokwenani labo kwezo zazingqungqa bazixâkamfulayo; bahambâ, babuyela elifeni labo, bakâ imizi, bahlala kuyo.

24 Bemka apô onyana baka-Sirayeli ngeloxesha, elowo waya esizweni sakowabo, nasemzalwaneni wakowabo. Bapûma-ke apô, waya elowo elifeni lakê.

25 Ngalomihla kwakungekô kumkani kwa-Sirayeli; elowo wenza ngokubona kwakê.

INCWADI KA-RUTI.

ISIQENDU I.

KEKALOKU kwatî ngemihla yokulaula kwabalauli, kwabakô indlala elizweni. Yahambâ indoda yase-Betelehem-yakwa-Yuda, yaza yapâmbûkela elizweni lakwa-Mowabi, yona nomkayo, nonyana bayo bobabini.

2 Ke igama lalondoda lalingu-Elimeleki, igama lomkayo lalingu-Nahomi,[1] amagama onyana bayo babe ngo-Malon no-

[1] Ubumnandi bam.

Digitized by Google

Kiliyon, bengama-Efrata ase-Betelehem yakwa-Yuda. Baya-ke elizweni lakwa-Mowabi, baba kôna.

3 Wafa u-Elimeleki indoda ka-Nahomi; washiywa-ke yena nonyana bakê bobabini.

4 Bazeka abafazi abangama-Mowabikazi; igama lomnye lalingu-Orpa, igama lomnye lalingu-Ruti; bahlala kôna iminyaka eseshumini.

5 Bafa kananjalo bobabini o-Malon no-Kiliyon; washiywa-ke lomfazi ngonyana bakê bobabini nayindoda yakê.

6 Wesuka yena nomolokazana bakê, ebuya elizweni lakwa-Mowabi; ngokuba weva eselizweni lakwa-Mowabi, ukuba u-Yehova ubavelele abantu bakê ngokubanika isonka.

7 Wapûma kulondawo abe kuyo, enomolokazana bakê bobabini; wahambâ ngendlela ebuyela ezweni lakwa-Yuda.

8 Watî u-Nahomi komolokazana bakê bobabini, Hambâni, nibuyele elowo endlwini kanina; u-Yehova makanenzele inceba, njengoko nenze ngako kubafi nakum.

9 U-Yehova makaninike nifumane indawo yokupûmla, elowo endlwini yendoda yakê. Wabanga; balipâkamisa ilizwi labo, balila,

10 Batî kuye, Hayi, siya kubuyela nawe kubantu bakowenu.

11 Watî u-Nahomi, Buyani, zintombî zam; kunganina ukuba nihambê nam? Ndisenonyana yinina embilinini wam, ukuze babe ngamadoda kuni?

12 Buyani, zintombî zam; hambâni, ngokuba sendikwalupâlele ukuba nendoda. Kôna ukuba bendisitî, Ndisenetêmbâ, nokuba benditê ndaba ngonendoda ngobusuku, nokuba benditê ndazala onyana:

13 Beniya kutî ngenxa yoko nilinde bade bakûle yinina? beniya kutî ngenxa yoko nizibambê ningabi namadoda yinina? Hayi, zintombî zam; ngokuba kuraŕa kunene kum ngenxa yenu, kuba isandla sika-Yehova sipûmelene nam.

14 Balipâkamisa ilizwi labo, babuya balila. U-Orpa wamanga uninazala; ke yena u-Ruti wanamatêla kuye.

15 Watî yena, Uyabona, umkûluwakazi wakô ubuyele kubantu bakowabo, nakotîxo bakowabo; buya nawe, ulandele umkûluwakazi wakô.

16 Watî u-Ruti, Mus'ukundibongoza ngokutî, mandikushiye, ndibuye, ndingakulandeli; ngokuba apô uya kôna ndiya kuya nam; apô uyakutî-vu kôna ndiya kutî-vu kôna; abantu bakowenu baya kuba ngabantu bam; u-Tîxo wakô abe ngu-Tîxo wam;

17 Apô ufela kôna ndiya kufela kôna, ndincwatyelwe kôna. Makenje-nje u-Yehova kum, apînde ukwenje-nje: kukufa okuya kundahlula nawe.

18 Wabona ukuba uzimisele ukuhambâ naye, wayeka ukutêtâ kuye.

19 Bahambâ-ke bobabini, bada bafika e-Betelehem. Kwati, xa bangenayo e-Betelehem, wazamazama wonke umzi ngenxa yabo, bati, Ngu-Nahomi-na lo?

20 Watî kubo, Musan' ukutî ndingu-Nahomi; yitîni ndingu-Mara; ngokuba u-Somandla undenze ndaŕaŕa kunene.

21 Ndemka mna ndizele; ke u-Yehova undibuyisa ndilambâtâ. Yinina ukuba nitî ndingu-Nahomi; u-Yehova enqînile-nje ngam, u-Somandla endenzele ububi-nje.

22 Wabuya-ke u-Nahomi eno-Ruti um-Mowabikazi, umolokazana wakê, owabuya elizweni lakwa-Mowabi; bafika bona e-Betelehem ekuqalekeni kokuvunwa kwe-fasi.

2 Kekaloku u-Nahomi ebe nesihlobo sendod'akê, indoda esityebi emzalwaneni ka-Elimeleki, igama layo belingu-Bohazi.

2 Watî u-Ruti um-Mowabikazi ku-Nahomi, Makê ndiye entsimini, ndibîkice izikwebu emva kwalowo ndiya kubabalwa nguye. Watî kuye, Hambâ, ntombi yam.

3 Wahambâ waya, wabîkica entsimini emva kwabavuni. Itâmsanqa lakê lawela pêzu kwesahlulo sentsimi ka-Bohazi obe ngowomzalwane ka-Elimeleki.

4 Wati-gqi u-Bohazi, evela e-Betelehem, watî kubavuni, U-Yehova makabe nani. Batî kuye, U-Yehova makakusikelele.

5 Watî u-Bohazi kwindodana yakê epêtê abavuni, Yekabanina lenkazana?

6 Yapêndula indodana epêtê abavuni, yatî, Yinkazana engum-Mowabikazi, efike no-Nahomi bevela elizweni lakwa-Mowabi;

7 Yatî-ke, Makê ndibîkice, ndibutê pâkatî kwezitûngu emva kwabavuni; yeza-

Digitized by Google

ke, yema kwakusasa kwada kwangoku; ukuhlala kwayo endlwini kukancinane.

8 Watî u-Bohazi ku-Ruti, Uyeva-na, ntombî yam? Mus'ukuya kubîkica ntsimini yimbî; kananjalo uz'ungadluli apâ, namatêla wenje-nje kumtînjana wam lo;

9 Amehlo akô makabe sentsimini oyivunayo wona, uwulandele; yabona, abafana bakwam ndibawisele umtêtô wokuba bangakucûkumisi; xa unxaniweyo, yiya ezityeni, usele into ekîwe ngabafana.

10 Wawa ngobuso bakê, waqubuda emhlabeni, watî kuye, Kutê-nina ukuba ndibabalwe nguwe, undibuke, ndiyinkazana yolunye uhlanga-nje?

11 Wapêndula u-Bohazi, watî kuye, Ndiyixelelwe kakuhle yonke into oyenzileyo kunyokozala, emva kokufa kwendoda yakô, ukuba ushiya uyihlo nonyoko, nelizwe owazalelwa kulo, weza ebantwini obungabazi ngapâmbîli.

12 U-Yehova makakubuyekeze ukwenza kwakô, uzaliseke umvuzo wakô ovela ku-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, oze wazimela pântsi kwamapîko akê wena.

13 Watî yena, Mandibabalwe nguwe nkosi yam; ngokuba unditûtûzele, ngokuba utêtê kakuhle nekôbokazana lakô, ndingenjengelinye lamakôbokazana akônje.

14 Watî u-Bohazi kuye, Ngexesha lokudla sondela apâ, udle isonka, uncinde iasin ngeqêkeza lakô. Wahlala pântsi ngasecalenî labavuni. Wamnika ikŵeba; wadla, wahlutâ, washiya.

15 Wesuka-ke waya kubîkica, u-Bohazi waluwisela umtêtô ulutsha olulolwakê, watî, Makabîkice napâkatî kwezitûngu, ningamdanisi;

16 Nimfolele nokumfolela inxenye ezitûngwini, nishiye, abîkice ningamkâlimeli.

17 Wabîkica entsimini-leyo kwada kwahlwa; wayibûla into abeyibîkicile, yanga yi-efa ye-fasi.

18 Watŵala, waya ekâya; wayibona uninazala into ayibîkicileyo; wakufola, wamnika abekushiyile akuba ehluti.

19 Watî uninazala kuye, Ubîkice pîna namhla? Ubusebenza pina? Makasikelelwe okubukileyo wena. Wamxelela uninazala umntu abesebenza kuye, watî, Igama lendoda endisebenze kuyo namhla ngu-Bohazi.

20 Watî u-Nahomi kumolokazana wakê, Makasikelelwe yena ngu-Yehova, ongayekelelanga ukwenza inceba yakê kwabapîlileyo nakwabafileyo. Watî u-Nahomi kuye, Indoda-leyo iyalamana natî, ingowabakûluli betû.

21 Watî u-Rutî um-Mowabikazi, Kananjalo itê yona kum, Uz'unamatêle kulutsha olulolwam, lude lulugqibe lonke uvuno olulolwam.

22 Wati u-Nahomi ku-Ruti umolokazana wake, Kulungile, ntombî yam, ukuba upûme nomtînjana wakê, ukuze ungafikelwa mntu ukwenye intsimi.

23 Wanamatêla kumtînjana ka-Bohazi, wabîkica, kwada kwagqitywa ukuvunwa kwe-fasi nokuvunwa kwenqôlowa; wahlala noninazala.

3 Watî u-Nahomi uninazala kuye, Ntombî yam, ndingakufuneli-na ukupûmla okokulungela?

2 Kaloku akasihlobo setû-na u-Bohazi, lowo umtînjana ubunawo? Nanko esela i-fasi ngobubusuku esandeni.

3 Zihlambê, utâmbise, unxibe ingubo zakô, uhle uye esandeni. Uz'ungazazisi endodeni-leyo, ide igqibe ukudla nokusela.

4 Utî, ukulala kwayo pântsi, uqonde indawo eye kulala kuyo, uye uyitŷil' ingubo ngasezinyaweni zayo, ulale pântsi, yokuxelela-ke yona into owoyenza.

5 Watî kuye, Yonke into oyitêtâyo ndoyenza.

6 Wehla-ke waya esandeni, wenza ngako konke abemwisele umtêtô ngako uninazala.

7 Wadla u-Bohazi, wasela, yacŵayita intliziyo yakê, waya walala pântsi ekupêleni kwentlaba. Waya-ke ecotâ, wamtŷil' ingubo ngasezinyaweni zake, walala pântsi.

8 Kwatî pâkatî kobusuku, yetûka indoda leyo, yaguquka, yabona kulele inkazana ngasezinyaweni zayo.

9 Yatî, Ungubani? Watî, Ndingu-Ruti umkônzazana wakô; tŵabulula isondo *lengubo* yakô pêzu komkônzazana wakô, ngokuba ungumkûluli wena.

10 Yatî, Usikelelwe ngu-Yehova, ntombî yam. Inceba yakô yamva-nje ingapêzu kweyokuqala, ungalandelanga madodana-nje, nokuba ngasweleyo nokuba nganobutyebi.

11 Kaloku-ke, ntombî yam, mus'ukoyi-

Digitized by Google

ka; konke okutêtîleyo ndokwenzela; ngokuba bonke abantu bomzi wakowetû bayazi ukuba uyinkazana enesidima.

12 Ewe! kuyinene, ndingumkûluli inyaniso. Ke kukô umkûluli osondeleyo *kuwe* kunam.

13 Lala ngobubusuku; kotî kusasa, ukuba utê wakukûlula ngentlaulelo, kulunge, makakukûlule ngentlaulelo; ke ukuba akatânga akunanze ukukukûlula ngentlaulelo, ndokukûlula ngentlaulelo mna, ehleli-nje u-Yehova. Lala kude kuse.

14 Walala-ke ngasezinyaweni zakê kwada kwasa; wavuka bengekanakanani abantu. Yatî, Makungaziwa ukuba bekuze inkazana esandeni.

15 Yatî, Etê ingubo yakô yokwaleka ukôngozele. Wakôngozela-ke ngayo. Yalinganisa izilinganiso ze-fasi ezitandatû, yamtwalisa; wagoduka.

16 Waya kuninazala, watî yena, Utêni, ntombî yam? Wamxelela konke emenzele kôna indoda-leyo.

17 Watî, Indinike ezizilinganiso ze-fasi; ngokuba yayisitî, Mus'ukuya kunyokozala ulambâtâ.

18 Watî, Hlala, ntombî yam, ude wazi okuya kuhla; kuba indoda-leyo ayikupûmla, ingakupêlisanga oku namhla.

4 Kekaloku wenyuka u-Bohazi, waya esangweni *lomzi*, wahlala kôna; nanko egqitâ umkûluli-lowa abetêtâ yena u-Bohazi; watî, Wa nantsi, kâupâmbûkele apâ uhlale pântsi. Wapâmbûka, wahlala.

2 Watâbatâ ishumi lamadoda kumadoda amakûlu omzi, watî, Hlalani apâ; ahlala-ke.

3 Watî kumkûluli-lowo, Isahlulo somhlaba obungowomzalwana wetû u-Elimeleki, utêngisê ngaso u-Nahomi obuye elizweni lakwa-Mowabi;

4 Ndatî-ke mna, mandivule indlebe yakô, nditî, Wutênge ngapâmbî kwaba bahleliyo apâ, pâmbî kwamadoda amakûlu abantu bakowetû. Ukuba uyawukûlula ngentlaulelo, wukûlule ngentlaulelo; ukuba akuwukûluli ngentlaulelo, ndixelele ndazi; ngokuba akukô bani unokuwukûlula ngentlaulelo inge nguwe; ndisemva kwakô mna. Watî, Ndowukûlula ngentlaulelo mna.

5 Wati u-Bohazi, Mhlenikweni uwuzuzayo umhlaba esandleni sika-Nahomi, uwuzuza naku-Ruti um-Mowabikazi, umkamfi, ukuba uvuse igama lomfi elifeni lakê.

6 Watî umkûluli-lowo, Andinakuzikûlulela ngentlaulelo ngokwam, hleze ndilonakalise elam ilifa. Zikûlulele ngentlaulelo isilunga sam eso; ngokuba andinakô mna ukuwukûlula ngentlaulelo.

7 Kekaloku kwakusitîwa kudala kwa-Sirayeli ukukûlula ngentlaulelo nokwanana ukuze yonke into ibe iqiniselwe: ubani anyotûle imbâdada yakê, ayinike uwabo; oko kwakububunqîna kwa-Sirayeli.

8 Watî umkûluli lowo ku-Bohazi, Zitêngele. Wanyotûla imbâdada yakê.

9 Watî-ke u-Bohazi kumadoda amakûlu nakubantu bonke, Ningamanqîna namhla, ukuba ndikutêngile konke okuka-Elimeleki, nako konke okuka-Kiliyon no-Malon, esandleni sika-Nahomi;

10 No-Ruti um-Mowabikazi, umka-Malon, ndimzuzile ukuba abe ngumkam, ukuze kuvuswe igama lomfi elifeni lakê, linganqanyulwa igama lomfi ebazalwaneni bakê nasesangweni lendawo yakê: ningamanqîna namhla.

11 Batî bonke abantu abasesangweni namadoda amakûlu, Singamanqîna. U-Yehova makamenze lomfazi ungenayo endlwini yakô, abe njengo-Raheli nanjengo-Leya, abayakâyo indlu ka-Sirayeli bababini, avelise amandla e-Efrata, akwenzele udumo e-Betelehem;

12 Indlu yakô ibe njengendlu ka-Peretse, awamzalayo u-Tamare ku-Yuda, ngembêwu-leyo aya kukunika u-Yehova ngalentombâzana.

13 U-Bohazi wamzeka-ke u-Ruti, wangumkakê, wamngena; waza u-Yehova wamnika ukuzala; wazala unyana.

14 Batî abafazi ku-Nahomi, Makabongwe u-Yehova ongakuyekelanga uswele umkûluli namhla; igama lakê malivakale kwa-Sirayeli;

15 Abe ngumbuyisi wompêfumlo kuwe, nomnqaki wezimvi zakô; ngokuba umolokazana wakô okutândayo, lowo ulungileyo kuwe ngapêzu konyana abasixênxe, umzele.

16 U-Nahomi wamtâbatâ umntwana-lowo, wambeka esifubeni sakê, waba ngumondli wakê.

17 Lwamtîya igama umelwanekazi, lwatî, U-Nahomi uzalelwe unyana, lwatî i-

Digitized by Google

gama lakê ngu-Obede; yena nguyise ka-Isayi, uyise ka-Davide.

18 Yiyo le-ke inzala ka-Peretse: u-Peretse wazala u-Hetseron;
19 U-Hetseron wazala u-Ram; u-Ram wazala u-Aminadabi;
20 U-Aminadabi wazala u-Nashon; u-Nashon wazala u-Salemon;
21 U-Salemon wazala u-Bohazi; u-Bohazi wazala u-Obede;
22 U-Obede wazala u-Isayi; u-Isayi wazala u-Davide.

INCWADI YOKUQALA KA-SAMUWELI.

ISIQENDU I.

KEKALOKU kwakukô ndoda itîle yase-Rama, um-Tsofi, yakwelentaba lakwa-Efrayim, egama belingu-Elikana unyana ka-Yeroham, unyana ka-Elihu, unyana ka-Tohu, unyana ka-Tsufi, wakwa-Efrayim.

2 Yayinabafazi ababini; igama lomnye lalingu-Hana,[1] igama lowesibini lingu-Penina;[2] u-Penina-ke waye nabantwana u-Hana yena enge nabantwana.

3 Indoda-leyo ibinyuka ivela emzini wayo iminyaka ngeminyaka, iye kuqubuda, ibingelele ku-Yehova wemikôsi e-Shilo. Bebe kôna-kê onyana baka-Eli ababini o-Hofeni no-Pinehasi, abenzeleleli[3] baka-Yehova.

4 Kwatî ngemini awabingelela ngayo u-Elikana, wamnika u-Penina umkakê, nonyana bakê bonke nentombî zakê, izabelo;

5 Ke wamnika u-Hana isabelo sabantu ababini, ngokuba ebemtânda u-Hana, ke u-Yehova ebesivalile isizalo sakê.

6 Waza nombandezeli wakê waman' emcûnuba, ukuze ade acunuke; ngokuba u-Yehova ebesivalile isizalo sakê.

7 Wenje njalo *u-Elikana* iminyaka ngeminyaka, xa wenyukayo ukuya endlwini ka-Yehova; wenje njalo *u-Penina* ukumqumbisa; *u-Hana* walila, akadla.

8 Watî u-Elikana umyeni wakê kuye, Hana, ulilela-nina? Yinina ukuba ungadli? Yinina ukuba ibe mbî intliziyo yakô? Andilungile-na kuwe ,ngapêzu konyana abalishumi?

9 Wesuka u-Hana emveni kokuba bedlile e-Shilo, emveni kokuba besele. Kekaloku u-Eli umenzeleleli wayehleli esihlalweni ngasemgubasini webôtwe lika-Yehova.

10 Wawuŕaŕa umpêfumlo, ka-Hana watândaza ku-Yehova, wasitsho isililo;

11 Wabâmbâtîsa ngesibâmbâtîso, watî, Yehova wemikôsi, ukuba utê wazikângela ukuzikângela oku intsizi zomkônzazana wakô, wandikûmbûla, akwamlibala umkônzazana wakô, wamnika umkônzazana wakô umntwana oyindoda: ndomnika u-Yehova yonke imihla yobomi bakê; isitshetshe sokucêba asiyi kusondezwa entloko yakê.

12 Kwatî, ekutândazeni kwake uzungu pâmbî ko-Yehova, u-Eli wawugqala umlomo wakê;

13 Ke yena u-Hana etêtêla entliziyweni yakê, kubebezela imilebe yomlomo wakê yodwa, izwi lakê lingavakali; u-Eli waba uyanxila.

14 Watî u-Eli kuye, Koda kube ninina unxila? Yisuse i-wayini yakô kuwe.

15 Wapêndula u-Hana, watî, Hayi, nkosi yam, ndingumfazi omoya unobunzima, andiselanga wayini nasiselo sinxilisayo, ndipâlaza umpêfumlo wam pâmbî ko-Yehova.

16 Mus'ukumbalela umkônzazana wakô ekutîni yintombi yetshijolo; ngokuba unangoku nditêtê ngobuninzi bokukâlaza kwam nokuqunjiswa kwam.

17 Wapêndula u-Eli, watî, Hambâ unoxolo; u-Tixo ka-Sirayeli makakunike isicelo sakô osicelileyo kuye.

18 Watî-ke yena, Ikôbokazana lakô eli malibabalwe nguwe. Wahambâ indlela

[1] u-Babalo. [2] u-Korale.
[3] Ababingeleli kwi-Test. entsha, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

yakê umfazi-lowo, wadla, ababi samatsha ubuso bakê.

19 Bavuka kusasa ngengomso, baqubuda pâmbî ko-Yehova, babuya, bangena endlwini yabo e-Rama. U-Elikana wamazi u-Hana umkakê; u-Yehova wamkûmbûla.

20 Kwatî ukufezeka kwemihla, wamitâ u-Hana, wazala unyana, wamtîya igama elingu-Samuweli,' esitî, Kungokuba ndamcelayo ku-Yehova.

21 Yenyuka indoda-leyo ingu-Elikana nendlu yayo yonke, ukuba ibingelele ku-Yehova umbingelelo womnyaka, inesibâmbâtîso sayo.

22 Ke yena u-Hana akanyukanga; ngokuba watî kwindoda yakê, Kokê kulunyulwe umntwana, ndandule-ke ukumzisa abonakale pâmbî ko-Yehova, ahlale kôna kude kuse epâkadeni.

23 Wati u-Elikana indoda yakê kuye, Yenza okulungileyo emehlweni akô; hlala ude umlumle; ke u-Yehova makalimise ilizwi lakê. Wahlala-ke umfazi wanyisa unyana wakê wada wamlumla.

24 Wenyuka naye, akuba emlumle, enenkunzi ezintatû ezintsha, ne-efa yomgubo, nentsuba ye-wayini, wamsa endlwini ka-Yehova e-Shilo: umntwana-lowo esengumntwana.

25 Bayixêla inkunzi entsha, bamsa umntwana ku-Eli.

26 Watî, Camagu, nkosi yam, uhlelinje umpêfumlo wakô, nkosi yam, ndingulamfazi wayemi kuwe apâ etândaza ku-Yehova.

27 Ndanditândazela lomntwana; undinikile-ke u-Yehova isicelo sam endandisicela kuye;

28 Nam ndiya kumenza oceliweyo ku-Yehova; yonke imihla yokubakô kwakê, woba ngoceliweyo ku-Yehova. Waqubuda kôna ku-Yehova.

2 Watândaza u-Hana, watî,
Intliziyo yam idlamkile ngo-Yehova,
Upôndo lwam lupâkanyisiwe ngu-Yehova,
Uvulekile umlomo wam kakûlu ngazo intshaba zam;
Ngokuba ndivuyele usindiso lwakô.
2 Akukô uyingewele njengo-Yehova;
Ngokuba akukô namnye ngapândle kwakô;
Akukô liwa linjengo-Tîxo wetû.
3 Musan' ukukwandisa ukutêtâ into ezipâkamileyo, into ezipâkamileyo,
Kungapûmi kuhlakanipa emlonyeni wenu;
Ngokuba u-Yehova ngu-Tîxo owazi konke,
Yena ngumlinganisi wezenzo eziyincamisa.
4 Izâpêta zamagofa zapûkile,
Abakûbeki babinqiswe amandla.
5 Abahlutiyo baziqeshisela isonka,
Abalambûleyo baza kupêla *ukulambâ*.
Ade nongazaliyo azale isixênxe,
Onabantwana abaninzi antshwenye.
6 U-Yehova uyabulala, adlise ubomi,
Uhlisela e-hadesî,[1] abuye anyuse.
7 U-Yehova uyahlwempuza, atyebise;
Utôba, abuye apâkamise.
8 Uvusa elutûlini abasweleyo,
Apâkamise amahlwempu ezaleni,
Ukuba awahlalise namanene;
Uwabela ilifa elisihlalo sozuko;
Ngokuba zezika-Yehova intsika zomhlaba,
Walimisa pêzu kwazo elimiweyo.
9 Inyawo zabakê benceba uya kuzigcina,
Abangendawo badake ebumnyameni;
Ngokuba indoda ayeyisi ngamandla.
10 U-Yehova yena—baya kuqîpuk' umbilini ababambâna naye.
Uya kududumisa pêzu kwabo ezulwini;
U-Yehova uya kuzigweba izipêlo zomhlaba,
Amnike ukumkani wakê amandla,
Alupâkamise upôndo lomtânjiswa wakê.

11 Wesuka u-Elikana, waya endlwini yakê; ke umntwana ebelungiselela ku-Yehova pâmbî kuka-Eli umenzeleleli.

12 Kekaloku onyana baka-Eli bebe ngamatshijolo, bengamazi u-Yehova,

13 Kwa nesilunga sabenzeleleli esipûma ebantwini. Akubon' ukuba umntu ubingelela umbingelelo, kwaza kweza umfana wakwamenzeleleli, xa ipêkiweyo inyama, ene-folokwê emazinyo matâtû esandleni sakê,

[1] Ocelwe ku-Tixo.

[1] Elabafileyo.

Digitized by Google

14 Wahlaba nokuba kuselukânibêni, nokuba kuse-ketileni, nokuba kukungxawu, nokuba kusembizeni: ibisitî yonke into epûmē ne-folokwê azitabatele umenzeleleli kwa ngayo. Benje njalo kuma-Sirayeli onke abesiza e-Shilo apô.

15 Kananjalo kungekaqûnyiselwa ngamanqatâ, ubesitî umfana wakwamenzeleleli, eze kumntu obingelelayo, atî, Etê inyama, yoselwe umenzeleleli; kuba akayi kwamkela nyama ipêkiweyo kuwe, mayibe yerwada.

16 Ati umntu lowo akutî kuye, Kuya kuqûnyiselwa inene ngamanqatâ kwa ngoku, wandule-ke uzitâbatêle, njengoko umpêfumlo wakô unqwenela ngako; atî yena, Hayi, ndinike ngoku; ukuba akundiniki, ndoyitâbatâ ngamandla.

17 Saba sikûlu kunene isono samadodana pâmbî ko-Yehova; ngokuba abantu bawudela umnikelo ka-Yehova.

18 Waye u-Samuweli elungiselela pâmbî ko-Yehova, eyinkwenkwe ebînqe iefodi ye-linen emhlopê.

19 Unina ubemenzela ingubo yokwaleka, anyuke nayo, ayise kuye iminyaka ngeminyaka ekunyukeni kwakê nendoda yakê, ukuza kubingelela umbingelelo wonyaka.

20 U-Eli wamsikelela u-Elikana nomkakê, watî, U-Yehova makakunike imbêwu ngalomfazi esikûndleni soceliweyo owacelwa ku-Yehova. Bahambâ bagoduka.

21 U-Yehova wamvelela u-Hana; wamitâ, wazala onyana abatâtû, nentombî ezimbîni. Yakûla inkwenkwe engu-Samuweli iku-Yehova.

22 Kekaloku u-Eli ube selemdala kakûlû; wayiva yonke into 'ababeyenza onyana bakê kuma-Sirayeli onke, kwa nokuba bebelala nabafazi ababekônza emnyango wen-tente yokuhlangana.

23 Watî kubo, Yinina ukuba nenze izinto ezinjengezi? kuba izenzo zenu ezibî ndiziva ngababantu bonke.

24 Hayi, bonyana bam; ngokuba asiludaba oluhle olu ndiluvayo mna; nibanga ukuba bagqitise abantu baka-Yehova.

25 Ukuba umntu utê wŏna umntu, u-Tîxo uyamlamlela; ke ukuba umntu utê wŏna ku-Yehova, ngubanina oya kumlamlela? Abalipûlapûla izwi loyise; kuba u-Yehova ubefuna ukubabulala.

26 Ke inkwenkwe, u-Samuweli yaya ikûla ngokukûla, itândeka ku-Yehova nakubantu.

27 Kweza umntu ka-Tîxo ku-Eli, watî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Kanene ndazityîla-na kwindlu kayihlo, bese-Yiputa endlwini ka-Faro?

28 Ndamnyula-na ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, ukuba abe ngumenzeleleli kum, anyuke esibingelelweni sam, aqûmisele ngeziqûmiso, anxibe i-efodi pâmbî kwam, ndayinika yonke indlu kayihlo konke ukudla kwasemlilweni konyana baka-Sirayeli?

29 Yinina-ke ukuba niwunyatêlele pântsi umbingelelo wam nomnikelo wam wokudla, endiwise umtêtô ngawo ekâya *lam*, usuke ubazukise onyana bakô ngapézu kwam, ukuze nizityebise ngelona nqatâ leminikelo yonke yama-Sirayeli, abantu bam?

30 Ngoko utsho u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ndatsho okunene ukutî, Indlu yakô nendlu kayihlo yohambâ pâmbî kwam kude kuse epâkadeni; kungoku utsho u-Yehova ukutî, Oko makube lē kum; ngokuba ondizukisayo ndiya kumzukisa, abandidelayo bacukucezwe.

31 Yabona, imihla iyeza, endiya kuyinqumla ingalo yakô, nengalo yendlu kayihlo, kungabikô ngwevu endlwini kayihlo;

32 Ukubone ukubandezelwa kwekâya *lam* ezintwini zonke *u-Tîxo* aya kuwenzela okulungileyo ngazo ama-Sirayeli; kungabikô ngwevu endlwini yakô imihla yonke.

33 Ke andikunqumla mntu wonke wakwakô esibingelelweni sam, ukuze amehlo akô apêle, nompêfumlo wakô utê; kufe konke ukwanda kwendlu yakô kungamadoda.

34 Nguwo lo umqondiso kuwe, oya kubafikela onyana bakô bobabini u-Hofeni no-Pinehasi: baya kufa bobabini ngamhlamnye.

35 Ndiya kuzivelisela umenzeleleli otêmbêkileyo, oya kwenza njengoko kusentliziyweni yam nasempêfumlweni wam; ndimakêle indlu eqinileyo, ahambê pâmbî komtânjiswa wam yonke imihla.

36 Kotî, lowo useleyo endlwini yakô, eze azigobe kuye ngenxa yeqôsha le-silvere nesuntswana lesonka, atî, Kâundifake

Digitized by Google

komnye umsebenzi wobenzeleleli, ukuze ndidle iqêkeza lesonka.

3 Kekaloku umntwana u-Samuweli wayelungiselela ku-Yehova pâmbî ko-Eli. Ilizwi lika-Yehova laliswelekile ngalomihla; kwakungekô mbono utŷilekileyo.

2 Kwatî ngalomhla, elele u-Eli endaweni yakê, amehlo akê eqale ukuba nofatyazo ukuba angabi nakubona,

3 Singekacinywa isibane sika-Tixo, u-Samuweli elele ebôtweni lika-Yehova, apô ubukôna umkômbê ka-Tixo,

4 U-Yehova wambiza u-Samuweli; watî yena, Ndikô.

5 Wabalekela ku-Eli, watî, Ndikô; ngokuba undibizile. Watî yena, Andikubizanga; buy'uye kulala, Waya walala.

6 Waqokela u-Yehova wambiza u-Samuweli. Wavuka u-Samuweli, waya ku-Eli, watî, Ndikô; ngokuba undibizile. Watî yena, Andikubizanga, nyana wam; buy'uye kulala..

7 Ke u-Samuweli ebengekamazi u-Yehova, belingekatŷileki kuye ilizwi lika-Yehova.

8 Waqokela u-Yehova wambiza u-Samuweli okwesitâtû. Wavuka weza ku-Eli, watî kuye, Ndikô; ngokuba undibizile. Waqonda u-Eli ukuba u-Yehova umbizile umntwana.

9 Watî u-Eli ku-Samuweli, Hamb'uye kulala; kotî, ukuba utê wakubiza, utî, Têtâ, Yehova; ngokuba esiva umkônzi wakô. Waya u-Samuweli, walala endaweni yakê.

10 Weza u-Yehova, wema, wabiza njengezinye izihlandlo, watî, Samuweli, Samuweli. Watî u-Samuweli, Têtâ; ngokuba esiva umkônzi wako.

11 Watî u-Yehova ku-Samuweli, Uyabona, ndenza into kwa-Sirayeli eya kubetâ zîtî-nzwi indlebe zombîni zabantu bonke abaya kuyiva.

12 Ngalomini ndiya kumvelisela u-Eli yonke into endiyitêtîleyo ngokusingisele kwindlu yakê; ndiqalile ndiya kugqiba.

13 Ndimxelele ukuba ndiyayigweba indlu yakê kude kuse epâkadeni, ngenxa yobugwenxa abaziyo: ngokuba baziqalekisa onyana bakê, akabangxolisa.

14 Ngoko ndiyifungele indlu ka-Eli, ndatî, Inene, ubugwenxa bendlu ka-Eli abuyi kucanyagushelwa ngambingelelo nangamnikelo wakudla napâkade.

15 Walala u-Samuweli kwada kwasa, wazivula-ke ingcango zendlu ka-Yehova. U-Samuweli woyika ukumxelela u-Eli umbono lowo.

16 U-Eli wambiza u-Samuweli, watî, Samuweli, nyana wam. Watî yena, Ndikô.

17 Watî, Liyinto-nina ilizwi-elo alitêtîleyo kuwe? Mus'ukukê undifihlele. Makenje-nje u-Tîxo kuwe, aqokele ukwenjenje, ukuba utê wandifihlela-zwi emazwini onke awatêtîleyo kuwe.

18 U-Samuweli wamxelela amazwi onke, akamfihlela nto. Watî-ke yena, Ngu-Yehova; makenze oko kulungileyo omehlweni ake.

19 Wakûla u-Samuweli, u-Yehova waba naye; akwawa pântsî nalinye ilizwi emazwini akê onke emhlabeni.

20 Onke ama-Sirayeli, etâbatêle kwa-Dan esa e-Ber-sheba, azi ukuba u-Samuweli ngum-profeti otêmbekileyo ka-Yehova.

21 Waqokela u-Yehova wabonakala e-Shilo; ngokuba u-Yehova wazitŷila ku-Samuweli e-Shilo ngelizwi lika-Yehova.

4 Ilizwi lika-Samuweli laya kuma-Sirayeli onke.

Apûma ama-Sirayeli, eya kuwahlangabeza ama-Filisti alwe nawo, amisa in-tente ngase-Ebenezere, ama-Filisti amisa e-Afeki.

2 Aza ama-Filisti akâ uluhlu lokulwa nama-Sirayeli. Idabi lanwenwezela abulawa ama-Sirayeli pâmbî kwama-Filisti. Kwabulawa eluhlwini etâfeni apô amadoda akumawaka amane.

3 Beza abantu eminqubeni, atî amadoda amakûlu akwa-Sirayeli, Yinina ukuba u-Yehova asibulale namhla pâmbî kwama-Filisti? Masiye kutâbatâ umkômbê womnqopîso ka-Yehova e-Shilo ube kutî, uze pâkatî kwetû, usisindise esandleni sentshaba zetû.

4 Batûmela-ke abantu e-Shilo; bawutâbatâ kôna umkômbê womnqopîso ka-Yehova wemikôsi, ohleli pêzu kwe-kerubi; babe kôna bobabini onyana baka-Eli, u-Hofeni no-Pinehasi, benomkômbê womnqopîso ka-Tîxo.

5 Kwatî, xa wafikayo umkômbê womnqopîso ka-Yehova eminqubeni aduma

Digitized by Google

kakûlu onke ama-Sirayeli, umhlaba watîndi.

6 Asiva ama-Filisti isandi sokuduma kwawo atî, Sesani-na esisandi sokuduma kungaka eminqubeni yama-Hebere? Azike ukuba umkômbê ka-Yehova ufikile eminqubeni.

7 Oyika ama-Filisti, kuba ebesitî, U-Tîxo ufikile eminqubeni. Atî, Yeha-ke tîna! ngokuba akuzanga kube-nje ngapâmbîli.

8 Yeha-ke tîna! ngubanina oya kusihlangula esandleni sabatîxo babungangamsha bungaka? Ngabatîxo aba babulala ama-Yiputa ngezibetô zonke entlango.

9 Yomelelani, nibe ngamadoda, nina ma-Filisti, hleze nikônze kuma-Hebere, njengokuba ekônze kuni wona. Yibani ngamadoda, nilwe.

10 Alwa-ke ama-Filisti, awabulala ama-Sirayeli; asaba ke wona, waya elowo ententeni yakê; abulawa kakûlu kunene. Kwawa kuma-Sirayeli amawaka angamashumi amatâtû angumqikela.

11 Kwatînjwa nomkômbê womnqopîso ka-Tîxo; bafa onyana bobabini baka-Eli, u-Hofeni no-Pinehasi.

12 Kwabaleka indoda yakwa-Benyamin, ivela emkôsini, yafika e-Shilo kwangalomini, ingubo zayo zirazukile, inomhlaba entloko.

13 Yafika; nanko u-Eli ehleli esihlalweni ecaleni kwendlela, ebonisela; ngokuba ibigubâ intliziyo yakê ngenxa yomkômbê ka-Tîxo. Yafika indoda-leyo, yawuxelela umzi; wasitsho isililo wonke umzi.

14 Waliva u-Eli izwi lesililo, watî, Lelanina elilizwi lalentlokoma? Indoda-leyo yakâuleza, yeza yamxelela u-Eli.

15 Kekaloku u-Eli ebe minyaka imashumi asitôba anesibôzo ezelwe, amehlo akê enofatyazo, enge nakubona.

16 Yati indoda-leyo ku-Eli, Ndinguló uvela emkôsini mna ndisabê emkôsini namhla-nje. Watî yena, Kuhle nto-nina, nyana wam?

17 Wapêndula umbiki, watî, Asabile ama-Sirayeli pâmbî kwama-Filisti, kananjalo babulewe kakûlu abantu, kananjalo onyana bakô bobabini bafile, o-Hofeni no-Pinehasi, umkômbê ka-Tîxo utinjiwe.

18 Kwatî, akukânkanya umkômbê ka-Tîxo, wawa esihlalweni sakê, eqetûka ngomva ngasecaleni kwesango, wapûka ilungu lentamo, wafa; ngokuba indoda leyo ibiseyilixêgo, inzima. Yayiwalaula ama-Sirayeli iminyaka emashumi mane.

19 Kekaloku umolokazana wayo, umka-Pinehasi, ebemitî, eza kuzala. Wati akuziva indaba zokutînjwa komkômbê ka-Tîxo, nezokufa koyise wendoda nendoda yakê, waguqa, wazala; ngokuba yamfikela inimbâ.

20 Ngexesha lokufa kwakê, abafazi abebemi pêzu kwakê batêtâ, batî, Mus'ukoyika; ngokuba uzele unyana. Akapêndula, akakâtâla koko.

21 Watî umntwana ngu-Ikabode,[1] esitî, Uzuko lumkile kwa-Sirayeli, ngenxa yokutînjwa komkômbê ka-Tîxo, nangenxa yoyise wendoda nendoda yakê.

22 Watî, uzuko lumkile kwa-Sirayeli; kuba umkômbê ka-Tîxo utînjiwe.

5 Ama-Filisti awutâbatâ umkômbê ka-Tîxo, esuka nawo e-Ebenezere, aya nawo e-Ashdode.

2 Awutâbatâ ama-Filisti umkômbê ka-Tîxo, aya nawo endlwini ka-Dagon, awumisa ecaleni ko-Dagon.

3 Bavuka kusasa ngengomso abase-Ashdode, nanko u-Dagon ewile ngobuso emhlabeni pâmbî komkômbê ka-Yehova. Bamtâbatâ u-Dagon, babuya bammisa endaweni yakê.

4 Bavuka kusasa ngengomso, nanko u-Dagon ewile ngobuso emhlabeni pâmbî komkômbê ka-Yehova, intloko ka-Dagon nezandla zakê zozibini zinqumkile zisembundwini womnyango, kusele isikôndo sodwa.

5 Ngenxa yoko abenzeleleli baka-Dagon, nabo bonke abangenayo endlwini ka-Dagon, abanyatêli embundwini womnyango wendlu ka-Dagon e-Ashdode unanamhla.

6 Saba nzima isandla sika-Yehova pêzu kwabase-Ashdode, sabapânzisa, sababetâ ngezilonda, i-Ashdode nemida yayo.

7 Akubona amadoda ase-Ashdode ukuba kunjalo, atî, Umkômbê wo-Tîxo ka-Sirayeli maungahlali kutî; ngokuba isandla sakê sinzima pêzu kwetû, napêzu ko-Dagon utîxo wetû.

8 Atûmela ahlanganisela kuwo zonke izikûlu zama-Filisti, atî, Siwutî-nina umkômbê ka-Tîxo ka-Sirayeli? Zatî, Umkômbê ka-Tîxo maujike uye e-Gati. Awujika-ke umkômbê ka-Tîxo ka-Sirayeli.

[1] Tu-usuko.

Digitized by Google

9 Kwatĩ emveni kokujikwa kwawo, isandla sika-Yehova saba pezu kwalomzi, sasisaqunge esikũlu kunene; wababulala abantu balomzi, kwatâbatêla kwabancinane kwesa kwabakũlu, batĩ-gqobõgqobõ izilonda.

10 Bawutũmela umkõmbê ka-Tĩxo e-Ekron. Kwatĩ, xa ufikayo umkõmbê ka-Tĩxo e-Ekron, bakâla abase-Ekron, besitĩ, Bawujikele kutĩ umkõmbê wo-Tĩxo ka-Sirayeli, ukuba usibulale tina nabantu bakõwetũ.

11 Batũmela, bazihlanganisa zonke izikũlu zama-Filisti, batĩ, Wumkiseni umkõmbê wo-Tĩxo ka-Sirayeli, ubuyele endaweni yawo, ungasibulali tĩna, nabantu bakowetũ; ngokuba ukuqungaqunga kokufa bekukõ kuwo wonke umzi, besinzima kunene isandla sika-Tĩxo kõna.

12 Abantu abangafanga babetŵa ngezilonda; kwenyuka kwaya ezulwini ukuzibika komzi.

6 Umkõmbê ka-Yehova waba semhlabeni wama-Filisti inyanga ezisixênxe.

2 Ama-Filisti abiza abenzeleleli nabavumisi esitĩ, Siwutĩ-nina umkõmbê ka-Yehova? Saziseni nto esingawugodusa nayo, uye endaweni yawo.

3 Batĩ, Ukuba uyogoduswa umkõmbê wo-Tĩxo ka-Sirayeli, musan' ukuwugodusa ulambâtâ; ukuwubuyisela kuye nowubuyisela unedini letyala. Nakupĩliswa, kuya kwandula ukwazeka kuni, ukuba bekunganina ukuba isandla sakê singesuki kuni.

4 Atĩ, Liyinto-nina idin letyala esolibuyisela kuye? Batĩ, Lizizilonda ze-golide ezihlanu, nempuku ze-golide ezintlanu, ngokwenani lezikũlu zama-Filisti; ngokuba sinye isibetõ kuni nonke nakwizikũlu zenu.

5 Ize niyenze imifanekiso yezilonda zenu, nemifanekiso yempuku zenu ezilonakalisayo ilizwe, nimzukise u-Tĩxo ka-Sirayeli; mhlaumbĩ wosenza lula isandla sakê kuni, nakotĩxo benu, nakwilizwe lenu.

6 Yinina ukuba niziqaqadekise intliziyo zenu, njengokuba aziqaqadekisayo intliziyo zawo ama-Yiputa no-Faro? Akutânga-na akuzenza izenzo ezincamisayo kuwo, *ama-Yiputa* awandululula, *ama-Sirayeli* emka-ke?

7 Tâbatâni ngoko, nenze inqwelo entsha, nitâbatê imazi ezimbĩni ezintsha ezanyisayo, ezingazanga zibekwe dyokwê, nizibopê enqweleni, niwanqande amatõle azo kuzo, aye ekâya;

8 Niwutâbatê umkõmbê ka-Yehova, niwubeke enqweleni; nempahla ze-golide enizibuyisela kuye, ezilidini letyala, nizibeke etyeyeni ecaleni lawo, niwundulule uhambê;

9 Nikângele, ukuba utê wenyuka ngendlela yomda wawo, waya e-Bete-shemeshe woba nguye osenzele obububi bukũlu; ke ukuba kutê akwabi njalo: sotĩ sazi ukuba asibetŵe sisandla sakê, sihlelwe sisihlo.

10 Enje njalo amadoda; atâbatâ imazi ezintsha ezanyisayo zambĩni, azibopâ enqweleni, awavalela amatõle azo ekâya;

11 Awubeka umkõmbê ka-Yehova enqweleni, netyeya inempuku ze-golide nemifanekiso yezilonda zawo.

12 Imazi ezintsha zatĩ-ngqo ngendlela, ngendlela yase-Bete-shemeshe, zahambâ ngomendo, zihambâ zinxakama, azanxaxêla ekunene nasekõhlo; izikũlu zama-Filisti zizilandela zada zaya emdeni wase-Bete-shemeshe.

13 Abase-Bete-shemeshe babevuna inqõlowa entilini; bawapâkamisa amehlo abo, bawubona umkõmbê, bavuya bakuwubona.

14 Inqwelo yafika entsimini ka-Yoshuwa wase-Bete-shemeshe, yema kõna. Bekukõ ilitye elikũlu kõna. Bayicanda imitĩ yenqwelo, bazinyusa imazi ezintshaezo zalidini elinyukayo ku-Yehova.

15 Aba-Levi bawutũla umkõmbê ka-Yehova, netyeya ebinawo, inempahla ye-golide, bazibeka elityeni-elo likũlu. Amadoda ase-Bete-shemeshe anyusa amadini anyukayo, abingelela imibingelelo ngalomini ku-Yehova.

16 Zabona izikũlu ezihlanu zama-Filisti, zabuyela e-Ekron kwa ngalomini.

17 Zizo ezi izilonda ze-golide awazibuyiselayo ama-Filisti ku-Yehova, zalidini letyala: ese-Ashdode sasisinye, ese-Gaza sasisinye, ese-Ashkelon sasisinye, ese-Gati sasisinye, ese-Ekron sasisinye.

18 Kunye nempuku ze-golide ngokwenani lemizi yonke yama-Filisti yezikũlu ezihlanu, kutâbatêla emizini enqatyisiweyo, kuse kwi-lali zabasemapândleni, kuse etyeni elikũlu, abawumisa kulo umkõmbê

Digitized by Google

ka-Yehova, lilinqîna unanamhla entsimini ka-Yoshuwa wase-Bete-shemeshe.

19 Wabetâ emadodeni ase-Bete-shemeshe, ngokuba bawukângekângelayo umkômbê ka-Yehova; wabulala ebantwini abo amadoda angamashumi asixênxe emadodeni angamawaka angamashumi omahlanu. Benza isijwili abantu, ngokuba u-Yehova ebabulele abantu ngobulalo olukûlu.

20 Atî amadoda ase-Bete-shemeshe, Ngubanina onakô ukuma pâmbî ko-Yehova lo-Tîxo uyingcwele? Ûya kunyuka aye kubanina, ukusuka kwakê kutî?

21 Atûma abatûnywa kubemi base-Kiriyati-yeharim, esitî, Ama-Filisti awubuyisile umkômbê ka-Yehova; yihlani nize kuwunyusela kuni.

7 Eza amadoda ase-Kiriyati-yeharim, awunyusa umkômbê ka-Yehova, awuzisa endlwini ka-Abinadabi, endulini, angcwalisa u-Elazare unyana wakê ukuba awugcine umkômbê ka-Yehova.

2 Kwatî, uhleli e-Kiriyati-yeharim apo umkômbê, zanda intsuku, zayiminyaka emashumi mabini; yamlandela u-Yehova ngesimema yonke indlu ka-Sirayeli.

3 Watî-ke u-Samuweli kwindlu yonke ka-Sirayeli, Ukuba nibuyela ku-Yehova ngentliziyo yenu yonke, basuseni-ke pâkatî kwenu otîxo bolunye uhlanga no-Ashtaroti, nizimise intliziyo zenu ku-Yehova, nikônze yena yedwa: wonihlangula-ke esandleni sama-Filisti.

4 Onyana baka-Sirayeli babasusa-ke o-Bahali no-Ashtaroti, bakônza u-Yehova yedwa.

5 Watî u-Samuweli, Wahlanganiseleni e-Mitspa onke ama-Sirayeli, ndinitândazele ku-Yehova.

6 Ahlanganiselana e-Mitspa, akâ amanzi, awapâlaza pâmbî ko-Yehova, azila ukudla ngalomini, atî kôna, Sonile ku-Yehova. Wabalaula u-Samuweli onyana baka-Sirayeli e-Mitspa.

7 Eva ama-Filisti, ukuba onyana baka-Sirayeli bahlanganiselene e-Mitspa, zenyuka izikûlu zama-Filisti zawapûmela ama-Sirayeli. Beva onyana baka-Sirayeli, bawoyika ama-Filisti.

8 Batî onyana baka-Sirayeli ku-Samuweli, Mus'ukuyeka ukusikâlela ku-Yehova u-Tîxo wetû, asisindise esandleni sama-Filisti.

9 U-Samuweli watâbatâ itakane elanyayo, walinyusa lalidini elinyukayo lonke lipêla ku-Yehova. Wakâla u-Samuweli ku-Yehova ngenxa yama-Sirayeli; u-Yehova wampêndula.

10 Kwatî, xa u-Samuweli alinyusayo idini elinyukayo, ama-Filisti asondela, esiza kulwa nama-Sirayeli. U-Yehova wadudumisa ngezwi elikûlu lomini kuma-Filisti, wawaqungaqunga; abulawa pâmbî kwama-Sirayeli.

11 Apûma amadoda akwa-Sirayeli e-Mitspa, awasukela ama-Filisti, awabulala, esa pântsi kwe-Bete-kare.

12 U-Samuweli watâbatâ ilitye, walimisa pâkatî kwe-Mitspa ne-Shen, watî igama lalo yi-Eben-ezere;[1] watî, Kude kwalapa u-Yehova esinceda.

13 Atôtywa-ke ama-Filisti, akabi sapînda eze emdeni wakwa-Sirayeli; sacâsana nama-Filisti isandla sika-Yehova yonke imihla ka-Samuweli.

14 Yabuyiselwa kuma-Sirayeli imizi-leyo abeyitîmbîle ama-Filisti kuma-Sirayeli, itâbatêla e-Ekron yesa e-Gati; nemida yayo ayihlangula ama-Sirayeli esandleni sama-Filisti. Laxola-ke pâkatî kwama-Sirayeli nama-Amori.

15 U-Samuweli waye ngumlauli kuma-Sirayeli yonke imihla yobomi bakê;

16 Ehambâ iminyaka ngeminyaka, ejikeleza e-Beteli, nase-Giligali, nase-Mitspa, ewalaula ama-Sirayeli kwezondawo zonke;

17 Ebuyela e-Rama, ngokuba yayikôna indlu yakê; wawalaula nakôna ama-Sirayeli, wakâ isibingelelo ku-Yehova kôna.

8 Kwatî, xenikweni u-Samuweli alixêgo, wabamisa onyana bakê bangabalauli kuma-Sirayeli.

2 Igama lonyana wakê wamazibulo lalingu-Yoweli, igama lowesibini lalingu-Abiya; bengabalauli e-Ber-sheba.

3 Onyana bakê abahambânga ngendlela yakê, banabela inzuzo embî, bamkela izicengo, basijika isigwebo.

4 Aza ahlanganisana onke amadoda amakûlu akwa-Sirayeli, eza ku-Samuweli e-Rama,

5 Atî kuye, Uyabona, walupêle wena,

[1] Ilitye-lokunceda.

Digitized by Google

onyana bakô abahambî ngendlela yakô, simisele ngoko ukumkani wokusilaula njengentlanga-ezi zonke.

6 Laba libi elozwi emehlweni ka-Samuweli, xa batî, Sinike ukumkani wokusilaula. Watândaza u-Samuweli ku-Yehova.

7 Watî u-Yehova ku-Samuweli, Lipûlapûle izwi labantu entweni yonke abayitêtâyo kuwe; ngokuba inge nguwe abamgibileyo, bagibe mna, ukuze ndingabi ngukumkani kubo.

8 Ngokwezenzo zonke, abazenzileyo kuselokwemini endabanyusayo e-Yiputa kwada kwanamhla, bandishiya, bakônza tîxo bambî, benje njalo namhla nakuwe.

9 Lipûlapûle ngoko izwi labo; kodwa ubaqononondise kakuhle, ubaxelele isiko *aya kupâtâ ngalo* ukumkani oya kuba ngukumkani wabo.

10 Wabaxelela-ke u-Samuweli abobantu babebiza ukumkani kuye onke amazwi ka-Yehova.

11 Watî, Lilo-eli isiko lokumkani oya kuba ngukumkani kuni: Onyana benu uya kubatâbatâ abamisele yena ezinqweleni zakê zokulwa, nasemahasheni akê akwelwayo, babaleke pâmbî kwenqwelo yakê;

12 Abamisele yena babe ngabatêtêli bamawaka, nabatêtêli bamashumi ngamahlanu, balime amasimi akê, bavune ukutya kwakê, benze impahla zakê zemfazwe nempahla zenqwelo yakê.

13 Intombî zenu azitâbatê zibe ngabaqôlikazi, nabapêki, nabosi bezonka.

14 Amasimi enu awatâbatê, nezi-diliya zenu, nezinquma zenu ezona zilungileyo, azinike abakônzi bakê,

15 Nesishumi sembêwu yenu asibize, nesezi-diliya zenu, asinike ababusi bakê, nabakônzi bakê.

16 Abakônzi benu abatâbatê, namakôbokazana enu, namadodana enu, namaesile enu, enze umsebenzi wakê.

17 Isishumi sempahla yenu emfutshane asibize; nina nibe ngabakônzi bakê.

18 Nikâle ngalomini ngokumkani wenu enazinyulelayo, anganipênduli u-Yehova ngalomini.

19 Abavuma abantu ukulipûlapûla izwi lika-Samuweli; batî, Hayi; inene, masibe nokumkani,

20 Natî sibe njengentlanga-ezi zonke, asilaule ukumkani wetû, apûme pâmbî kwetû, alwe imfazwe zetû.

21 Waweva u-Samuweli onke amazwi abantu, wawatêtâ ezindlebeni zika-Yehova.

22 Watî u-Yehova ku-Samuweli, Lipûlapûle izwi labo, ubenzele ukumkani. Watî u-Samuweli kumadoda akwa-Sirayeli, Hambâni niye elowo emzini wakê.

9 Kwakukô ndoda yakwa-Benyamin, igama lalingu-Kishe unyana ka-Abiyeli, unyana ka-Tserore, unyana ka-Bekorati, unyana ka-Afiya, unyana wom-Benyamin, indoda esityebi.

2 Yayinonyana ogama lingu-Saule, umfo omtsha omhle, ebekungekô mfo pâkatî konyana baka-Sirayeli mhle kunaye; etâbatêla emagxeni akê anyuse ube mde kubantu bonke.

3 Kekaloku u-Kishe uyise ka-Saule walahlekelwa zimazi zakê zama-esile. Watî u-Kishe ku-Saule unyana wakê, Kâutâbatê omnye kubafana ahambê nawe, usuke uye kuzifuna imazi zama-esile.

4 Wacanda kwelentaba lakwa-Efrayim, wacanda nasezweni lase-Shalisha, abazifumana; wacanda nasezweni lase-Shahalim, azabikô; wacanda nasezweni lakwa-Benyamin, abazifumana.

5 Bakufika ezweni lakwa-Tsufi, u-Saule watî kumfana obe naye, Hambâ sibuye, hleze ubawo azincame imazi zama-esile, abe nesitûkutêzi ngatî.

6 Watî-ke yena kuye, Uyabona-ke, kulomzi kukô umntu ka-Tîxo, ngumntu ozukileyo; konke akutêtâyo kuyenzeka ngenene. Makê siye kôna-ke, mhlaumbî angasibonisa indlela yetû esohambâ ngayo.

7 Watî u-Saule kumfana lowo, Yabona, sihambâ-nje, siya kumnika nto-nina umntu lowo? kuba isonka sipêlile empahleni yetû; akukô sipô singasisa kumntu ka-Tîxo. Into esinayo yinto-nina?

8 Wapînda umfana wampêndula u-Saule, watî, Nanku kufumaneke esandleni sam isahlulo sesine se-shekele ye-silivere; ndosinika umntu ka-Tîxo, asibonise indlela yetû.

9 Ngapâmbili kwa-Sirayeli umntu xa aya kubuza ku-Tîxo, ubesitî, Hambâ siye kwimbôni; ngokuba ongum-profeti namhla bekusitîwa yimbôni ngenx' engapâmbîli.

Digitized by Google

10 Watĩ u-Saule kumfana lowo, Lihle ilizwi lakô; hambâ siye. Bahambâ baya kulomzi apô umntu ka-Tĩxo waye kôna.

11 Bati, benyuka eqĩneni lomzi, baqubisana nomtĩnjana upûma usiya kukâ amanzi, batĩ kuwo, Ikô-na apâ imbôni?

12 Wabapêndula, watĩ, Ikô; nantso pâmbĩ kwenu; kâulezani ngoku, kuba ifike namhla-nje kulomzi, ngokuba abantu banombingelelo namhla esigângeni;

13 Xa ningena kulomzi, noyifumana ingekenyuki iye kudla esigângeni; kuba abayi kudla abantu ingekafiki; ngokuba usikelelwa yiyo umbingelelo, baze badle emveni koko abamenyiweyo; nyukani ngoku; ngokuba noyifumana ngoku.

14 Benyuka-ke baya kulomzi. Bakubon' ukuba bayangena kulomzi, nanko u-Samuweli epûma equbisana nabo, eza kunyuka aye esigângeni.

15 Kekaloku u-Yehova wayeityĩlele indlebe ka-Samuweli ngosuku olungapâmbĩ kokuza kuka-Saule, esitĩ,

16 Ngelixesha ngomso ndiya kutûmela kuwe indoda yasezweni lakwa-Benyamin, ukuze uyitâmbĩse, ibe yingânga yabantu bam ama-Sirayeli, ibasindise abantu bam esandleni sama-Filisti; ngokuba ndibabonile abantu bam; kuba ukukâla kwabo kufikile kum.

17 U-Samuweli wambona u-Saule. U-Yehova wampêndula, watĩ, Nantso londoda benditêtê kuwe ngayo. Yiyo eya kupâtâ ubukôsi pêzu kwabântu bam.

18 Wasondela u-Saule ku-Samuweli esangweni, watĩ, Kâundixelele, ipĩna apâ indlu yembôni?

19 U-Samuweli wampêndula u-Saule, watĩ, Ndim imbôni; nyuka pâmbĩ kwam uye esigângeni, nidle nam namhla, ndikundulule ngomso, ndikuxelele konke okusentliziyweni yakô.

20 Ke imazi zama-esile esekuntsuku ntatû namhla zikulahlekile, mus'ukuyibekela kuzo intliziyo yakô; ngokuba zifunyenwe. Kokukabani-na konke okunqwenelekayo kwa-Sirayeli? Asikokwakô-na nokwendlu yonke kayihlo?

21 Wapêndula u-Saule, watĩ, Andingum-Benyamin yinina wesizwe esincinana na kwa-Sirayeli? nomzalwane wakowetû awupântsi-na emizalwaneni yonke yesizwe sakwa-Benyamin? Yinina ukuba utêtê ilizwi elinje kum?

22 U-Samuweli wamtâbatâ u-Saule nomfana-lowo, wabangenisa e-kambĩlini, wabanika indawo yobukûlu pâkatĩ kwabamenyiweyo-abo, bengamadoda akumashumi amatâtû.

23 Watĩ u-Samuweli kumpêki, Etê isabelo endakunikayo, ndatĩ kuwe, Sibeke.

24 Wawuzisa umlenze-lowo nento epêzu kwawo, wabeka pâmbĩ ko-Saule. Watĩ *u-Samuweli*, Nantso into endikubekeleyo, ibekiwe pâmbĩ kwakô, yidla; ngokuba ibigcinelwe wena ukuba ibe yeyelixesha, kususela koko ndatĩ, Ndibamemile abantu. Wadla u-Saule no-Samuweli ngalomini.

25 Behla esigângeni apô, beza pâkatĩ komzi; watêtâ no-Saule pêzu kwendlu.

26 Bavuka kusasa; kwatĩ, xa kunyuka isifingo, u-Samuweli wamemeza ku-Saule pêzu kwendlu, esitĩ, Vuka ndikugoduse. Wavuka u-Saule; bapûma baya pândle bobabini yena no-Samuweli.

27 Behlile baya ekupêleni komzi, watĩ u-Samuweli ku-Saule, Yitsho kumfana lo agqitêle pâmbĩ kwetû; (wagqitâ-ke), kâume wena ngoku, ndikuvise ilizwi lika-Tĩxo.

10 U-Samuweli watâbatâ igutyana le-oli, wamgalela entloko, wamanga, watĩ, Inene, u-Yehova ukutâmbĩsile ukuba ube yingânga yelifa lakê.

2 Ekumkeni kwakô kum namhla uya kufumana amadoda amabini ngasencwabeni lika-Raheli, emdeni wakwa-Benyamin, e-Tseletsa, aya kutĩ kuwe, Zifunyenwe imazi zama-esile obuye kuzifuna. Yabona, ukuyekile uyihlo ukutêtâ ngemazi zama-esile ezo, unesitûkutêzi ngani, esitĩ, Ndiya kutĩ-nina ngonyana wam.

3 Ugqitĩle apô uqûbele pâmbĩli, ufike kum-oki we-Tabore, uhlangane kôna namadoda amatâtû enyuka esiya ku-Tĩxo e-Beteli, enye itwele amatakane amatâtû, enye itwele intenda zezonka ezitâtû, enye itwele intsuba ye-wayini;

4 Akubuze ukupĩla kwakô, akunike izonka ezibini; uzitâbatê ezandleni zawo.

5 Emveni koko ufike e-Gibeha ka-Tĩxo, apô kukôyo i-posi yama-Filisti; kutĩ, xa ufikileyo emzini apô, utâne-nqipû negqiza laba-profeti lisihla livela esigângeni, pâmbĩ kwalo ingumfubê, nengqongqo, nogwali, nohadi, be-profeta.

6 Umoya ka-Tĩxo ukufikele ngamandla

Digitized by Google

uprofete ndawo-nye nabo, uguquke ube mntu wumbî.

7 Koti, xa itê yafika kuwe lomiqondiso, uzenzele njengoko siya kufumana ngako isandla sakô; ngokuba u-Tîxo unawe;

8 Uhle uye pâmbî kwam e-Giligali; yabona, ndiyehla ndiza kuwe, ukuze ndinyuse amadini anyukayo, ndibingelele imibingelelo yoxolo; wolinda imihla esixênxe ndide ndize kuwe, ndikwazise oko uya kukwenza.

9 Watî, akutî-kŵitshi ukuba emke ku-Samuweli, u-Tîxo wamguqula wanantliziyo yimbî; yafika yonke lomiqondiso kwa ngayo lomini.

10 Bafika e-Gibeha apô, nalo igqiza laba-profeti limkâulela; wamfikela ngamandla umoya ka-Tîxo, waprofeta pâkatî kwabo.

11 Kwatî, bakumbona bonke ababemazi ngapâmbîli, eprofeta ndawo-nye nabaprofeti, batî abantu omnye komnye, Uhliwe yinto-nina unyana ka-Kishe? Ukuba-profeti no-Saule-na?

12 Wapêndula umntu wakôna, watî, Ngubanina uyise wabo? Ngenxa yoko kwabakô umzekeliso wokutî, Ukuba-profeti no-Saule-na?

13 Wagqiba ukuprofeta, waya esigângeni.

14 Watî uyisekazi ka-Saule kuye nakumfana lowo, Beniye pîna? *Watî*, Besifuna imazi zama-esile; sakubona ukuba asizifumani saya ku-Samuweli.

15 Watî uyisekazi ka-Saule, Kâundixelele ukuba utê-nina u-Samuweli kuni.

16 Watî u-Saule kuyisekazi, Usixelele ukuba zifunyenwe imazi zama-esile. Ke ngobukumkani, abetêtê ngabo u-Samuweli, akamxelelanga nto.

17 Kekaloku u-Samuweli wabahlabela umkôsi abantu; beza ku-Yehova e-Mitspa.

18 Watî konyana baka-Sirayeli, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ndawanyusa mna ama-Sirayeli e-Yiputa, ndanihlangula esandleni sama-Yiputa, nasesandleni sezikumkani zonke ezanixinayo;

19 Namhla nimcekisile nina u-Tîxo wenu, owanisindisayo ebubini benu bonke, nasekubandezelweni konke, natî kuye, Simisele ukumkani pêzu kwetû. Kalokuke zimiseni pâmbî ko-Yehova ngokwezizwe zenu nangokwamawaka enu.

20 Wazisondeza-ke u-Samuweli zonke izizwe zakwa-Sirayeli, kwatâtyatŵa isizwe sakwa-Benyamin.

21 Wasisondeza isizwe sakwa-Benyamin ngokwemizalwane yaso, kwatâtyatŵa umzalwane wakwa-Matri, kwatâtyatŵa-ke u-Saule unyana ka-Kishe. Bamfuna, abamfumana.

22 Babuya babuza ku-Yehova, batî, Uselefikile-na umntu? Watî u-Yehova, Nanko ezimele yena pântsi kwempahla.

23 Babaleka, bamtâbatâ apô; wema pâkatî kwabantu, wamde kubantu bonke, etâbatêla emagxeni anyuse.

24 Watî u-Samuweli kubantu bonke, Niyambona-na lo unyuliweyo ngu-Yehova; ukuba akukô unjengaye ebantwini bonke? Baduma bonke abantu, batî, Makadle ubomi ukumkani.

25 U-Samuweli walitêtâ ebantwini isiko lobukumkani, walibâla encwadini, wayibeka pâmbî ko-Yehova. U-Samuweli wabandulula abantu bonke; baya elowo endlwini yakê.

26 Naye u-Saule waya endlwini yakê e-Gibeha; lahambâ naye iqela elinobuŕotî, elintliziyo zicûkunyisiweyo ngu-Tîxo.

27 Ke bona abangamatshijolo batî, Wotî-nina ukusisindisa lo? Bamdela; abamzisela mnkelo. Yena wanga akeva.

11 Kekaloku wenyuka u-Nahashe um-Amon, wayingqinga i-Yabeshe yase-Giliyadi. Atî onke amadoda ase-Yabeshe ku-Nahashe, Simisele umnqopîso, sikukônze.

2 Watî kuwo u-Nahashe um-Amon, Ndiya kunimisela umnqopîso wokutî, ndiniŕuŕe nonke iliso lasekunene, ndikubeke oko pêzu kwama-Sirayeli onke kube singcikivo.

3 Atî kuye amadoda amakûlu ase-Yabeshe, Siyeke intsuku ezisixênxe, sitûme abatûnywa emideni yonke yakwa-Sirayeli; sitî, ukuba akubangakô usisindisayo, sipûme size kuwe.

4 Bafika abatûnywa e-Gibeha yakwa-Saule, bawatêtâ lomazwi ezindlebeni zabantu; balipâkamisa bonke abantu izwi labo, balila.

5 Nanko, u-Saule ehambâ emva kwe-

Digitized by Google

nkomo, evela ezindle; watĩ u-Saule, Banantɔ-nina abantu belila-nje? Bamxelela-ke amazwi amadoda ase-Yabeshe.

6 Umoya ka-Yehova wamfikela ngamandla u-Saule ekuwavèni kwakɛ̂ lamazwi, wavutâ umsindo wakɛ̂ kunene.

7 Watâbatâ inkomo, zambĩni wazityatya, watûmela emideni yonke yakwa-Sirayeli ngesandla sabatûnywa, esitĩ, Ongatânga apûme alandele u-Saule, alandele u-Samuweli: ziya kwenjiwa nje inkomo zakɛ̂. Abantu bafikelwa kukunkwantya ngu-Yehova, bapûma njengendod' enye.

8 Wababala e-Bezeki; onyana baka-Sirayeli bangamawaka angamakûlu amatâtû, namadoda akwa-Yuda angamawaka angamashumi amatâtû.

9 Batĩ kubatûnywa abafikileyo, Yitshoni kumadoda ase-Yabeshe yase-Giliyadi ukutĩ, Ngomso ukufudumala kwelanga niya kukûlulwa, Bemka abatûnywa, bawaxelela amadoda ase-Yabeshe; avuyake.

10 Atĩ amadoda ase-Yabeshe, Ngomso siya kupûma size kuni; nenze kutĩ ngako konke okulungileyo emehlweni enu.

11 Kwatĩ ngengomso, u-Saule wabamisa abantu bazihlwele ezitâtû, bafika pâkatĩ kwempi ngomlindo wokusa, bawabulala ama-Amon yada yafudumala imini. Kwatĩ, aseleyo apângalaliswa; akwasala kuwo nokuba abe mabini ndaweni-nye.

12 Batĩ abantu ku-Samuweli, Ngobanina abo babesitĩ, U-Saule uya kuba ngukumkani kuti-na? Waziseni lomadoda, siwabulale.

13 Watĩ u-Saule, Makungabulawa mntu namhla; ngokuba namhla u-Yehova wenze usindiso kwa-Sirayeli.

14 Watĩ u-Samuweli ebantwini Hambâni, siye e-Giligali, sibusungule kɔ̂na ubukumkani.

15 Baya-ke bonke abantu e-Giligali; bamenza ukumkani u-Saule pâmbĩ ko-Yehova e-Giligali apɔ̂; wabingelela apɔ̂ imibingelelo yoxolo pâmbĩ ko-Yehova. Bavuya kunene apɔ̂ o-Saule namadoda onke akwa-Sirayeli.

12 Watĩ u-Samuweli kuma-Sirayeli onke, Yabonani, ndilipûlapûle izwi lenu ngako konke enakutêtâyo kum, ndanimisela ukumkani.

2 Kaloku nanko ukumkani ehambâ pâmbĩ kwenu. Ke mna ndalupêle ndiyingwevu; nabo onyana bam benani, mna ndihambē pâmbĩ kwenu kwasebuncinaneni bam unanamhla.

3 Nanku ndikɔ̂; nqĩnani ngam pâmbĩ ko-Yehova, napâmbĩ komtânjiswa wakɛ̂: ndatâbatâ nkomo kabanina? ndatâbatâ esile likabanina? ndacudisa banina? ndavikiva banina? ndatâbatâ esandleni sikabanina ucamagusho lokumfamekisa amehlo am? ndonibuyisela.

4 Atĩ, Akusicudisanga, akusivikivanga, akutâbatânga nto sandleni samntu.

5 Watĩ kubo, U-Yehova ulinqĩna ngani, nomtânjiswa wakɛ̂ ulinqĩna namhla, ukuba anifumanenga nto sandleni sam. Bati, Ulinqĩna.

6 Watĩ u-Samuweli ebantwini, Ngu-Yehova owenza o-Moses no-Aron, owenyusa oyihlo ezweni lase-Yiputa.

7 Kaloku-ke yimani, ndimangalelane nani pâmbĩ ko-Yehova ngayo yonke imisebenzi yobulungisa ka-Yehova, ayenzileyo kuni nakoyihlo.

8 Xenikweni u-Yakobi waya e-Yiputa, bakâla oyihlo ku-Yehova; u-Yehova watûma o-Moses no-Aron, babakûpâ oyihlo e-Yiputa, bababeka kulendawo.

9 Bamlibala u-Yehova u-Tĩxo wabo; watêngisa ngabo esandleni sika-Sisera, umtêtêli-mkɔ̂si wase-Hatsore, nasesandleni sokumkani wakwa-Mowabi, balwa nabo.

10 Bakâla ku-Yehova, batĩ, Sonile, ngokuba samlahlayo u-Yehova, sakɔ̂nza o-Bahali no-Ashtaroti; kaloku-ke sihlangule esandleni sentshaba zetu, sikukɔ̂nze.

11 U-Yehova watûma o-Yerubahali, no-Bedan, no-Dyafta, no-Samuweli; wanihlangula esandleni sentshaba zenu ngenxa zonke, nahlala nonwabile.

12 Kwatĩ nakubona u-Nahashe ukumkani wonyana baka-Amon esiza kulwa nani, natĩ kum, Hayi, masilaulwe ngukumkani; u-Yehova u-Tĩxo wenu engukumkani wenu.

13 Nanko-ke ukumkani enimnyulileyo enimbizileyo; yabonani, u-Yehova unimisele ukumkani.

14 Anaba beniya kumoyika u-Yehova, nimkɔ̂nze, nilipûlapûle izwi lakɛ̂, ningawupĩkisi umlomo ka-Yehova, nitânembēnde no-Yehova u-Tĩxo wenu, nina nokumkani onilaulayo ukuze kulunge.

Digitized by Google

15 Ke ukuba anitânga nilipûlapûle izwi lika-Yehova, ukuba nitê nawupîkisa umlomo ka-Yehova: isandla sika-Yehova sonicâsa njengokuba sacâsa oyihlo.

16 Nangoku yimani, niyibone lento inkulu, ayenzayo u-Yehova pâmbî kwenu.

17 Akuvunwa inqôlowa yinina namhla? Ndiya kunqula u-Yehova, ahlise indudumo nemvula; nazi, nibone ukuba ububi benu bukûlu enibenzileyo pâmbî ko-Yehova ngokubiza ukumkani.

18 U-Samuweli wanqula u-Yehova; waza u-Yehova wahlisa indudumo nemvula ngalomini. Bonke abantu bamoyika kunene u-Yehova no-Samuweli.

19 Batî bonke abantu ku-Samuweli, Batândazele abakônzi bakô ku-Yehova u-Tîxo wakô, ukuze singafi; ngokuba ezonweni zetû songeze ububi bokubiza ukumkani.

20 Watî u-Samuweli ebantwini, Musan' ukoyika. Nina nibenzile bonke obobubi; kodwa musan' ukutyeka ekumlandeleni u-Yehova; mkônzeni u-Yehova ngentliziyo yenu yonke.

21 Ize ningatyeki; ngokuba ningaba nilandela izinto ezililizé ezingenakunyusa, ezingenakuhlangula, ngokuba zililizé.

22 Kuba u-Yehova akayi kubashiya abantu bakê ngenxa yegama lakê elikûlu; ngokuba kwakôleka ku-Yehova ukunenza abantu bakê.

23 Kananjalo makube le kum ukutî ndône ku-Yehova ngokuyeka ukunitândazela; ndoniyalela indlela elungileyo etê-tye.

24 Kodwa moyikeni u-Yehova, nimkônze ngenyaniso, ngentliziyo yenu yonke; ngokuba kuboneni okukûlu anenzele kôna.

25 Ke ukuba ukwenza nitê nenza okubi, nocinywa nina kwa nokumkani wenu.

13 U-Saule ebe neminyaka ezelwe, akuba ngukumkani, waba ngukumkani kuma-Sirayeli iminyaka emibini.

2 U-Saule wazinyulela amawaka amatâtû kuma-Sirayeli; amawaka amabini aye no-Saule e-Mikmas nakwelentaba lase-Beteli, iwaka elinye laye lino-Yonatan e-Gibeha yakwa-Benyamin; abantu abaselevo wabandululula, baya elowo en-tenteni yakê.

3 U-Yonatan wayoyisa i-posi yama-Filisti ese-Geba, eva ama-Filisti. U-Saule wavutêla ngesigodlo ezweni lonke, esitî, Makeve ama-Hebere.

4 Ama-Sirayeli onke eva kusitîwa, U-Saule uyoyisile i-posi yama-Filisti; kananjalo ama-Sirayeli azinukisile kuma-Filisti. Abantu bahlatyelwa umkôsi, beza bamlandela u-Saule baya e-Giligali.

5 Ama-Filisti azihlanganisela ukulwa nama-Sirayeli: inqwelo zokulwa zangamashumi omatâtû amawaka, nabamahashe bangamawaka amatândatû, abantu bangangentlabati eselunxwemeni lolwandle ukuba baninzi, anyuka amisa in-tente e-Mikmas pâmbî kwe-Betaven.

6 Abona amadoda akwa-Sirayeli ukuba abandezelekile,—(kuba abantu bebefingiwe,) abantu bazimela emiqolombéni, nasezimfanteni, nasezingxondoľeni, nasemiweweni, nasemihadini.

7 Kekaloku kwawela ama-Hebere e-Yordan, aya ezweni lakwa-Gadi nelase-Giliyadi. Ke yena u-Saule ebesese-Giligali; abantu bonke bamlandela begubâ.

8 Walinda intsuku zasixênxe ngokwexesha ebelimisiwe ngu-Samuweli; akafika u-Samuweli e-Giligali; bampâlala abantu bemka kuye.

9 Watî u-Saule, Zisani kum idini elinyukayo nemibingelelo yoxolo. Wenyusa idini elinyukayo.

10 Kwatî, xa agqibileyo ukulinyusa idini elinyukayo, nanko u-Samuweli efika; wapûma u-Saule waya kumkâulela, ukuba ambulise.

11 Watî u-Samuweli, Yinto-ni le uyenzileyo? Wati u-Saule, Kungokuba bendibona abantu bendipâlala besimka kum, nawe ungafiki ngexesha ebelimisiwe, nama-Filisti ehlanganiselana e-Mikmas:

12 Ndatî, Kaloku ama-Filisti aya kuda ehle eze kum e-Giligali, ndingambongozanga u-Yehova, ndazinyanzela, ndalinyusa idini elinyukayo.

13 Watî u-Samuweli ku-Saule, Wenze ngobudenge; akuwugcinanga umtêtô ka-Yehova u-Tîxo wakô awakuwiselayo; ngokuba u-Yehova ange ebuzinzisile kaloku ubukumkani bakô kwa-Sirayeli kude kuse epâkadeni.

14 Kengoko ubukumkani bakô abusayi kuma. U-Yehova uzifunele indoda engantliziyo yakê; wayimisa u-Yehova ukuba ibe yingânga yabantu bakê; ngokuba a-

Digitized by Google

kukugcinanga oko u-Yehova akuwisele umtêtô ngako.

15 Wesuka u-Samuweli, wenyuka, wemka e-Giligali, waya e-Gibeha yakwa-Benyamin. U-Saule wababala abantu ababafunyenwe benaye: bengamadoda akumakûlu amatândatû.

16 U-Saule, no-Yonatan unyana wakê, nabantu ababafunyenwe benabo bahlala e-Gibeha yakwa-Benyamin. Ama-Filisti amisa in-tente e-Mikmas.

17 Kwapûma amatûtû emkôsini wama-Filisti, engamaqela amatâtû: elinye iqela labêka ngendlela yase-Ofra ezweni lakwa-Shuwali;

18 Elinye iqela labêka endleleni yase-Bete-horon; elinye iqela labêka endleleni yasemdeni ovelela umfula we-Tseboyim, uye entlango.

19 Ke bekungekô mkândi ezweni lonke lakwa-Sirayeli; ngokuba ama-Filisti ebesitî, Ayaze ama-Hebere enze amarele nentshuntshe.

20 Ama-Sirayeli onke abesihla aye kuma-Filisti, alole elowe isi-kâli sake nesitshetshe se-puluwa yakê, nezembê lakê, negaba lakê,

21 Zakuba nezikêwu intlangotî zamagaba nezezitshetshe ze-puluwa, neze-folokwê, nezamazembê, nezokubaza imviko.

22 Kwatî-ke ngomhla wokulwa, akwafunyanwa marele nantshuntshe esandleni sabantu bonke ababe no-Saule no-Yonatan; ke ku-Saule no-Yonatan unyana wakê bezikô.

23 Kwapûma ama-Filisti e-posini aya engxingweni yase-Mikmas.

14 Kwatî ngamhla utîle, u-Yonatan unyana ka-Saule watî kumfana opâtâ intonga zakê, Hamba sipûmele siye e-posini yama-Filisti epêsheya pâya. Akamxelela uyise.

2 U-Saule-ke wayehleli ekupêleni kwe-Gibeha pântsi kom-farnate ose-Migron; abantu ababe naye bebe kumakûlu amatândatû amadoda,

3 Eno-Ahiya, unyana ka-Ahitubi, umkûluwa ka-Ikabôdi, unyana ka-Pinehasi, unyana ka-Eli, umenzeleleli ka-Yehova e-Shilo, enxibe i-efodi. Bebengazi abantu ukuba u-Yonatan uyile.

4 Ezingxingweni, abefuna ukupûmela kuzo u-Yonatan aye e-posini yama-Filisti, bekukô itsolo lengxondora ngapâ, kukô itsolo lengxondofa ngapâya; igama lelinye belingu-Botsetse, igama lelinye lingu-Sene.

5 Okunye ukutsola bekuyintsika ngase-Ntla malunga ne-Mikmas, okunye ngase-Zantsi malunga ne-Gibeha.

6 Watî-ke u-Yonatan kumfana lowo upâtâ intonga zakê, Hambâ, sipûmele siye e-posini yaba bangalukileyo, mhlaumbî u-Yehova wosisebenzela; ngokuba akukô sitîntelo ku-Yehova ukuba asindise ngabaninzi nangabambâlwa.

7 Watî umpâtî wentonga zakê kuye, Yenza konke okusentliziyweni yakô; singa pâya, yabona, ndinawe ngokwentliziyo yakô.

8 Watî u-Yonatan, Yabona, siyapûmela siya kulamadoda, siya kuzibonakalisa kuwo.

9 Ukuba atê kutî, Hlalani, side size kuni; siya kuma kulondawo yetû, singenyuki siye kuwo.

10 Ukuba atê, Nyukani nize kutî; sonyuka, ngokuba u-Yehova uwanikele esandleni setû; lowo woba ngumqondiso kutî.

11 Bazibonakalisa bobabini e-posini yama-Filisti; atî ama-Filisti, Nanga ama-Hebere epûma eminxûnyeni abezimele kuyo.

12 Abapêndula amadoda ase-posini o-Yonatan nompâtî wentonga zakê, atî, Nyukani nize kutî, sinibonise. Watî u-Yonatan kumpâtî wentonga zakê, Nyuka emva kwam; ngokuba u-Yehova uwanikele esandleni sama-Sirayeli.

13 Wenyuka u-Yonatan, ekâsa ngezandla nenyawo, umpâtî wentonga zakê esemva kwakê. Awa pâmbî ko-Yonatan; nompâtî wentonga zakê esemva kwakê ebulala.

14 Kwatî, ukuxabela kokuqala awaxabela ngako u-Yonatan nompâtî wentonga zakê, kwaxatyelwa amadoda angatî amashumi mabini esiqingatêni sendima eyiakile yentsimi.

15 Kwabakô umotûko emkosini osendle, nasebantwini bonke; i-posi namatûtû botûka nabo; wanyikima umhlaba; yaba sitûso esivela ku-Tîxo.

16 Bakângela ababoniseli baka-Saule, bese-Gibeha yakwa-Benyamin, nantso ingxokolo inyibilika, yaye icîtâna yodwa.

Digitized by Google

17 Watí u-Saule ebantwini ababe naye, Kânibale, nibone ukuba ngubanina ongekôyo kutí. Babala, yini akakô u-Yonatan nompâtí wentonga zakê.

18 Watí u-Saule ku-Ahiya, Zisa apâ umkômbê ka-Tíxo; ngokuba umkômbê ka-Tíxo ubunonyana baka-Sirayeli ngalomini.

19 Kwatí, esatétâ u-Saule kumenzelelelí, ingxokozelo yempi yama-Filisti yaya ikûla. Watí u-Saule kumenzeleleli, Sibuyis' umva isandla sakô.

20 Bahlanganisana u-Saule nabantu bonke abebe naye, baya kulwa; nalo ifele lomntu limi kuwabo, isisaqunge esikûlu.

21 Kekaloku atí nama-Hebere abe kuma-Filisti njengapâmbíli, abenyuke ngenxa zonke, eza nawo emkôsini, esuka apâmbâ nawo angakuma-Sirayeli la abe no-Saule no-Yonatan.

22 Kwa namadoda onke akwa-Sirayeli, abezimele kwelentaba lakwa-Efrayim, eva ukuba ama-Filisti asabile, awalandela atâna-mbênde nawo ekulweni.

23 U-Yehova wawasindisa-ke ama-Sirayeli ngalomini. Ukulwa kwegqitâ e-Betaven.

24 Amadoda akwa-Sirayeli ayeminyekile kudinwa ngalomini. U-Saule wabafungisa abantu, esitĺ, Uqalekisiwe odla isonka kungekahlwi, ndide ndizipîndezelele ezintshabeni zam. Bonke abantu abadla nento.

25 Lonke ilizwe leza ehlatíni; kwaye kukô ubusi pézu komhlaba.

26 Bafika abantu ehlatíni, nanko kuvuza ubusi. Akwabikô usa isandla emlonyeni wakê; ngokuba abantu bebesoyika isifungo.

27 Ke u-Yonatan ubengevanga ukubafungisa kukayise abantu, wesa incam yentonga ebisesandleni sakê, wayifaka enqatêni lobusi, wasibuyisela emlonyeni wakê isandla sakê; aqabuka amehlo akê.

28 Yapéndula indoda yasebantwini, yatí, Uyihlo ubafungisile wabafungisa abantu, esitĺ, Uqalekisiwe odla isonka namhla-nje. Babetê-ncitĺ abantu lipângo.

29 Wati u-Yonatan, Ubawo ulihlisele ishwangusha ilizwe; kânikângele, amehlo am aqabukile, ngokuba ndive lentwana yobusi.

30 Ukuba babetê abantu badla besidla namhla emaxôbeni entshaba zabo abawafumeneyo, ngelubeke pîna-ke ukugqitisela ukuba lukûlu ngoku uxabelo kuma-Filisti?

31 Bawaxabela ngalomini ama-Filisti, batâbatéla e-Mikmas besa e-Ayalon; betŷafile kunene abantu.

32 Bazipôsa abantu emaxôbeni, batabatâ impahĺ' emfutshane, nenkomo, namatôle enkomo, baxélela emhlabeni, abantu bayidla inegazi.

33 Waxelelwa u-Saule, kwatíwa, Uyabona, abantu bayŏna ku-Yehova ngokuyidla inegazi. Watí, Nitshinizile; qengqelani kum ilitye elikûlu ngoku.

34 Watí u-Saule, Yitíni-sa pâkatí kwabantu, nitĺ kubo, Zisani kum elowo inkomo yakê, elowo igusha yakê, nixélele apâ, nidle; ningŏni ku-Yehova ngokuyidla inegazi. Bonke abantu bazisa elowo inkomo yakê ngesandla sakê ngobobusuku, baxêla kôna.

35 U-Saule wakâ isibingelelo ku-Yehova, waqala ngaso ukwakâ isibingelelo ku-Yehova.

36 Watí u-Saule, Masihle siwapûtûme ama-Filisti ebusuku, siwapânge kude kuse ngomso, singashiyi mntu kuwo. Batí, Yenza konke okulungileyo emehlweni akô. Watí umenzeleleli, Masisondele ku-Tíxo apâ.

37 U-Saule wabuza ku-Tíxo, esitĺ, Ndihle ndiwalandele-na ama-Filisti? wowanikela-na esandleni sama-Sirayeli? Akampêndula lomini.

38 Watí u-Saule, Yizani apâ, nonke nina zibonda zabantu, nazi, nibone ukuba sikwinina esisono namhla-nje?

39 Ngokuba ehleli-nje u-Yehova osindise ama-Sirayeli, nokuba besiku-Yonatan unyana wam, ubeya kufa. Akwabikô umpêndulayo ebantwini bonke.

40 Watí kuma-Sirayeli onke, Yibani ngelinye icala nina, ndibe ngelinye icala, mna no-Yonatan unyana wam. Batí abantu ku-Saule, Yenza okulungileyo emehlweni akô.

41 Watí u-Saule ku-Yehova, Tíxo ka-Sirayeli, velisa inyaniso. Kwatâtyatŵake u-Yonatan no-Saule, basinda abantu.

42 Watí u-Saule, Yenzani amaqashiso kum no-Yonatan unyana wam. Kwatâtyatŵa-ke u-Yonatan.

43 Watí u-Saule ku-Yonatan, Ndixelele, yinto-nina lento uyenzileyo? U-Yonatan wamxelela, watí, Ndisuke ndeva

Digitized by Google

intwana yobusi ngencam yentonga ebisesandleni sam; nanku ndiya kufa.

44 Watí u-Saule, U-Tixo makenje-nje kum, aqokele ukwenje-nje: inene, ukufa uya kufa, Yonatan.

45 Batí abantu ku-Saule, Afe-na u-Yonatan owenze olusindiso lukúlu kwa-Sirayeli? Makube lē oko! Ehleli-nje u-Yehova, akusayi kuwa nonwele lwentloko yakè emilabeni; ngokuba usebenzisene no-Tixo namhla. Bamkúlula-ke abantu u-Yonatan; akafa.

46 Wenyuka u-Saule ekuwalandeleni ama-Filisti; atí ama-Filisti aya kulondawo yawo.

47 Wabutábatá-ke u-Saule ubukumkani bakwa-Sirayeli; walwa ngenxa zonke nentshaba zakè zonke, ama-Mowabi, nonyana baka-Amon, nama-Edom, nokumkani base-Tsoba, nama-Filisti; watí, endaweni zonke abèka kuzo, wawatyela.

48 Wavelisa amandla, wawaxabela ama-Amaleki, wawahlangula ama-Sirayeli esandleni sabo babewapánga.

49 Kekaloku onyana baka-Saule bebe ngo-Yonatan, no-Ishevi, no-Malekishuwa; ke amagama entombí zakè zombini ngawo la: igama leyamazibulo ngu-Merabi, igama lenci ngu-Mikali.

50 Igama lomka-Saule belingu-Ahinowam intombí ka-Ahimahatse; igama lomtètèli womkósi wakè belingu-Abinere unyana ka-Nere, uyisekazi ka-Saule.

51 Uyise ka-Saule ube ngu-Kishe; u-Nere uyise ka-Abinere waye ngunyana ka-Abiyeli.

52 Kwaye kunzima ukulwa nama-Filisti yonke imihla ka-Saule; ngoko u-Saule ubesitì akubona indoda eligoña nokuba yiyipí, nendoda enoburoti nokuba yiyipí, ayitábatèle kuye.

15 Watí u-Samuweli ku-Saule, U-Yehova wanditúma ukuba ndikutámbise ube ngukumkani kubantu bakè, kuma-Sirayeli. Wapúlapúle-ke ngoko amazwi ka-Yehova.

2 Utsho u-Yehova wemikósi, ukutí, Ndikukángele konke awakwenzayo ama-Amaleki kuma-Sirayeli, okokuba awatíntelayo endleleni ekunyukeni kwawo e-Yiputa.

3 Yiya ngoko, uwaxabele ama-Amaleki, nikusingele pántsi konke anakó, ningawacongi; uz'ubulale, utábatèla kwindoda use kwinkazana, utábatèla kolunyulweyo use kowanyayo, utábatèla kwinkomo use kwimvu, utábatèla kwin-kamela use kwiesile.

4 Wababiza-ke abantu; wababala e-Telayim; amabini amakúlú amawaka omqikela, alishumi amawaka amadoda akwa-Yuda.

5 U-Saule wafika kumzi wama-Amaleki, walalela esihlanjeni.

6 Watí u-Saule kuma-Keni, Hambáni nihle, nimke kuma-Amaleki, hleze ndiniquke nawo, nina nabenzela inceba bonke onyana baka-Sirayeli ekunyukeni kwabo e-Yiputa. Emka-ke ama-Keni kuma-Amaleki.

7 U-Saule wawaxabela ama-Amaleki, watábatèla e-Havila wada waya e-Shure, ekángelene ne-Yiputa.

8 Wambambá u-Agagi ukumkani wama-Amaleki ehleli, wabasingela pántsi bonke abantu ngohlangotí lwerele.

9 U-Saule nabantu bamsindisa u-Agagi neyona ilungileyo impahl' emfutshane, nenkomo, neyalekelwayo, nemvana into zonke ezilungileyo abavuma ukuzisingela pántsi zona; ke yonke impahla edelekileyo exúgxileyo bayisingela pántsi.

10 Lafika ilizwi lika-Yehova ku-Samuweli, lisití,

11 Ndiyazohlwaya ngenxa yokuba ndimenzile u-Saule ukumkani; ngokuba ebuyile ekundilandeleni, akalifeza ilizwi lam. Wavutá ngumsindo u-Samuweli, wakála ku-Yehova ubusuku bonke.

12 Wavuka kusasa u-Samuweli, waya kukáulela u-Saule kusasa. Waxelelwa u-Samuweli kwatíwa, U-Saule uze e-Karmele; nanko ezimisele isalatiso, ejike wegqitá, wehla waya e-Giligali.

13 U-Samuweli waya ku-Saule; u-Saule watí kuye, Mausikelelwe ngu-Yehova; ndilifezile ilizwe lika-Yehova.

14 Watí u-Samuweli, Liyinto-nina elilizwi lempahl' emfutshane lisezindlebeni zam, nokukukónya kwenkomo ndikuvayo?

15 Watí u-Saule, Zezi bavela nazo kuma-Amaleki; ngokuba abantu bayisindisile eyona ilungileyo impahl' emfutshane ne-

Digitized by Google

nkomo, ukuze babingelele ku-Yehova u-Tixo wakô; ezinye sazisingela pântsi.

16 Wati u-Samuweli ku-Saule, Yeka, ndikuxelele akutétîleyo u-Yehova kum ngobubusuku. Watî kuye, Tètâ.

17 Watî u-Samuweli, Akubanga yintloko yezizwe zakwa-Sirayeli yinina, uzeyile wena? Wakutâmbîsa u-Yehova ukuba ube ngukumkani kuma-Sirayeli;

18 U-Yehova wakutûma ngendlela, watî, Hambâ uye kutshabalalisa aboni abo; ama-Amaleki, ulwe nawo ude uwagqibe.

19 Yinina-ke ukuba ungapûlapûli izwi lika-Yehova, usuke uzipôse emaxôbeni, wenze okubi emehlweni ka-Yehova?

20 Watî u-Saule ku-Samuweli, Hayi, ndilipûlapûle izwi lika-Yehova, ndahambâ ngendlela abenditûme ngayo u-Yehova, ndamzisa u-Agagi ukumkani wama-Amaleki, ndawatshabalalisa ama-Amaleki.

21 Besuka abantu, batâbatâ emaxôbeni: impahl' emfutshane, nenkomo, neyona inontlahla kwizinto ezisingelwe pântsi, ukuze babingelele ku-Yehova u-Tîxo wakô e-Giligali.

22 Watî u-Samuweli, U-Yehova unonelele amadini anyukayo nemibingelelo, ngangokuba enonelele ukupûlapûlwa kwezwi lika-Yehova yinina? Yabona, ukupûlapûla kulungile ngapêzu kombingelelo, nokubaza indlebe kulungile ngapêzu kwamanqatâ enkunzi zegusha.

23 Ngokuba ukuba nenkani kusisono esinjengokuvumisa, ubunqôla bunjengenkonzo yezitîxo nemilonde-kâya. Ngenxa yokuba ulicekisile ilizwi lika-Yehova, naye ukucekisile ukuba ungabi kumkani.

24 Watî u-Saule ku-Samuweli, Ndonile; ngokuba ndigqitîle emtétweni ka-Yehova naselizwini lakô; kuba bendisoyika abantu, ndapûlapûla izwi labo.

25 Kâusixolele ngoko isono sam; buya nam, ndiye ndiqubude ku-Yehova.

26 Watî u-Samuweli ku-Saule, Andikubuya nawe; ngokuba ulicekisile ilizwi lika-Yehova, naye u-Yehova ukucekisile ukuba ungabikumkani kuma-Sirayeli.

27 Watî akutî-guququ u-Samuweli ukuba emke; wabambâ isondo lengubo yakê yokwaleka, lafazuka.

28 Watî u-Samuweli kuye, U-Yehova uburazule kuwe namhla ubukumkani bakwa-Sirayeli, wabunika uwenu olungileyo kunawe.

29 Kananjalo u-Qele lika-Sirayeli akaxoki, akazohlwayi; ngokuba akangumntu ukuba azohlwaye.

30 Watî yena, Ndonile; soundizukisa pâmbî kwamadoda amakûlu abantu bakowetû, napâmbî kwama-Sirayeli, ubuye nam, ndiqubude ku-Yehova u-Tîxo wakô.

31 Wabuya-ke u-Samuweli, walandela u-Saule; u-Saule waqubuda ku-Yehova.

32 Watî u-Samuweli, Mziseni apâ kum u-Agagi ukumkani wama-Amaleki. Waya u-Agagi kuye ecwayitile. Watî u-Agagi, Inene, bugqitîle ubuxaxa bokufa.

33 Watî u-Samuweli, Njengokuba irele lakô labahlutâyo abafazi abantwana babo, uya kwenjiwa njalo ukuhlutwâ abantwana unyoko pâkatî kwabafazi. U-Samuweli wamxâxâ u-Agagi pâmbî ko-Yehova e-Giligali.

34 Waya u-Samuweli e-Rama; u-Saule wenyuka waya endlwini yakê e-Gibeha yakwa-Saule.

35 U-Samuweli akabuyanga abonane no-Saule kwada kwayimini yokufa kwakê; kuba u-Samuweli wamlilela u-Saule. Wazohlwaya u-Yehova ngenxa yokuba ebe menze u-Saule ukumkani kwa-Sirayeli.

•

16 Watî u-Yehova ku-Samuweli, Uya kumlilela kude kube ninina u-Saule, ndimcekisile-nje ukuba angabi kumkani kuma-Sirayeli? Zalisa isigodlo sakô ngeoli, uhambê; ndiya kukutûmela ku-Isayi wase-Betelehem; ngokuba ndizibonele ukumkani konyana bakê.

2 Watî u-Samuweli, Ndotî-nina ukuya? u-Saule uya kuva andibulale. Watî u-Yehova, Tâbatâ itôkazi lenkomo uye nalo, utî, Ndize kubingelela ku-Yehova.

3 Ummemele embingelelweni u-Isayi, ndokwazisa mna into owoyenza, unditâmbîsele endiya kutêtâ kuwe ngaye.

4 Wakwenza u-Samuweli akutétileyo, waya e-Betelehem. Otûka-ke amadoda amakûlu omzi, eza kumkâulela, atî, Uza uxolile-na?

5 Watî, Ndixolile; ndize kubingelela ku-Yehova; zingcwaliseni nize nam embingelelweni. Wamngcwalisa u-Isayi nonyana bakê, wabamemela embingelelweni.

6 Kwatî, ekuzeni kwabo, wabona u-Eliyabi, watî, Inene, upâmbî ko-Yehova umtânjiswa wakê.

Digitized by Google

7 Watî u-Yehova ku-Samuweli, Mus'ukukângela imbônakalo yakê, ngokupâkama kwesitômo sakê; ngokuba ndimcekisile. *Andikângeli* njengokukângela komntu; ngokuba umntu ukângela umpândle, u-Yehova ukângela intliziyo.

8 U-Isayi wabiza u-Abinadabi, wamgqitîsa pâmbî ko-Samuweli. Watî, Naló u-Yehova akamnyulanga.

9 U-Isayi wagqitîsa u-Shama. Watî, Naló u-Yehova akamnyulanga.

10 U-Isayi wagqitîsa-ke onyana bakê abasixênxe pâmbî ko-Samuweli. Watî u-Samuweli ku-Isayi, Aba u-Yehova akabanyulanga.

11 Watî u-Samuweli ku-Isayi, Awonkena amakwênkwe akô? Watî, Kusasele encinane; nantso isalûsa impahl' emfutshane. Watî u-Samuweli ku-Isayi, Tûmela iyokubizwa; ngokuba asiyikuhlala esidlweni, ide ifike apâ.

12 Watûmela wayizisa, yaye ingqombô, emahle amehlo ayo, intle nembônakalo yayo. Watî u-Yehova, Suk' ume, umtâmbîse; ngokuba nguye lo.

13 U-Samuweli watâbatâ isigodlo se-oli, wamtâmbîsa esesazulwini sabakûluwa bakê. U-Moya ka-Yehova wamfikela ngamandla u-Davide, ukususela kulomini. Wesuka u-Samuweli, waya e-Rama.

14 Ke u-Moya ka-Yehova wemka ku-Saule; wadandatêkiswa ngumoya ombi opûma ku-Yehova.

15 Batî abakônzi baka-Saule kuye, Yabona udandatêkiswa ngumoya ombi opûma ku-Tixo.

16 Inkosi yetû mayitêtê, abakônzi bakô abapâmbî kwakô baye kufuna indoda ekwaziyo ukubetâ uhadi; kutî, wakuba pézu kwakô umoya ombî opûma ku-Tîxo, ilubetê ngesandla sayo, ulunge kuwe.

17 Watî u-Saule kubakônzi bakê, Kâninditkângelele indoda ebetâ kamnandi, niyizise kum.

18 Wapêndula omnye umfana watî, Yabona, ndibone unyana ka-Isayi wase-Betelehem okwaziyo ukubetâ, ligofa elinoburotî, indoda yokulwa, iciko lokutêtâ, umfo omhle, u-Yehova unaye.

19 U-Saule watûma abatûnywa ku-Isayi, watî, Mtûmele eze kum u-Davide unyana wakô, osempahlen' emfutshane.

20 U-Isayi watâbatâ i-esile kubotshelelwe izonka kulo, nentsuba ye-wayini, netakane lalinye le-bôkwe, watûmela ngo-Davide unyana wakê ku-Saule.

21 Weza u-Davide ku-Saule, wema pâmbî kwakê; wamtânda kakûlu, waba ngumpâtî wentonga zakê.

22 Watûmela u-Saule ku-Isayi, esitî, Makeme pâmbî kwam u-Davide; kuba ubabalwe ndim.

23 Kwatî, wakufika umoya ombî ka-Tîxo ku-Saule, u-Davide watâbatâ uhadi, wabetâ ngesandla sakê: kwe-qabu ku-Saule, kwalunga kuye, wemka kuye umoya ombî.

17 Kekaloku ama-Filisti ayihlanganisa imikôsi yawo ukuba alwe, ayihlanganisela e-Soko ekwa-Yuda, amisa pâkatî kwe-Soko ne-Azeka e-Efese-damim.

2 U-Saule namadoda akwa-Sirayeli ahlanganisana, amisa entilini ka-Ela, akâ uluhlu lokulwa ukuba awahlangabeze ama-Filisti.

3 Ama-Filisti ema ngasentabeni ngapâ, ama-Sirayeli ema ngasentabeni ngapâ, umfula upâkatî kwawo.

4 Kwapûma empîni yama-Filisti indoda efun'undikô, egama lingu-Goliyati wase-Gati, ebude buzi-kubite ezintandatû ezinomolulo weminwe;

5 Enesigcina-ntloko sobêdu entloko, yambêtê ingubo yentsimbî: ubunzima bengubo yentsimbî buzi-shekele zobêdu ezimawaka mahlanu;

6 Enentsekelezane zobêdu emilenzeni, nomkônto wobêdu pâkatî kwamagxa ayo;

7 Ulutî lwentshuntshe yayo belungangomtî wabaluki; intsimbî yentshuntshe yayo ibizi-shekele ezimakûlu matândatû esinyitî; kuhambâ umpâtî wekâka pâmbî kwayo.

8 Yema, yamemeza kwizintlu zakwa-Sirayeli, yatî kuzo, Yinina ukuba nipûme nakê uluhlu lokulwa? Andinguye-na um-Filisti, naye nina ningabakônzi baka-Saule? Zikêtêleni indoda, ihle ize kum.

9 Ukuba itê yanakô ukulwa nam, yandibulala: soba ngabakônzi kuni; ukuba nditê ndayeyisa mna, ndayibulala: noba ngabakônzi kutî, nisikônze.

10 Watî um-Filisti, Mna ndiyazingcikiva namhla izintlu zakwa-Sirayeli; ndikûpêleni indoda silwe sobabini.

11 O-Saule nama-Sirayeli onke baweva amazwi alom-Filisti, batî-qip'umbilini, boyika kunene.

Digitized by Google

12 Ke u-Davide waye ngunyana walom-Efrata wase-Betelehem yakwa-Yuda, ugama lingu-Isayi, unyana basibôzo, ube yindoda eyalupêleyo ngemihla ka-Saule, emdala kakûlu pâkatî kwamanye amadoda.

13 Babeye ekulweni onyana abatâtû baka-Isayi abakûlu, bemlandela u-Saule; amagama onyana bakê abatâtû ababeye kulwa ngu-Eliyabi owamazibulo, emva kwakê ngu-Abinadabi, owesitâtû ngu-Shama.

14 U-Davide ube ngomncinane; abakûlu bobatâtû babelandele u-Saule.

15 U-Davide ubesiya abuye ku-Saule, ukuba alûse impahl' emfutshane kayise e-Betelehem.

16 Um-Filisti-lowo weza kusasa nangokuhlwa, wema imihla emashumi mane.

17 Watî u-Isayi ku-Davide unyana wakê, Kâupâtêle abakûluwa bakô i-efa yamakŵeba-la, nezonka ezi zilishumi, ugidime uye emkôsini kubakûluwa bakô,

18 Use nezonka zamasi-ezi zilishumi kumtêtêli-waka, ubavelele abakûluwa bakô, ubuze ukupîla kwabo, utâbaté isibambîso kubo;

19 U-Saule kwa nabo, namadoda onke akwa-Sirayeli ayesentilini ka-Ela, esilwa nama-Filisti.

20 Wavuka kusasa u-Davide ngengomso, wayishiya impahl' emfutshane nomgcini, watâbatâ, wahambâ, njengoko wamwiselayo u-Isayi umtêtô, wafika elutângweni lwenqwelo zokulwa, umkôsi upûma usiya kuma eluhlwini, uhlaba umkôsi;

21 Ama-Sirayeli nama-Filisti aká izintlu, uluhlu lukângelene noluhlu.

22 U-Davide wayishiya impahla yakê esandleni somgcini wempahla, wabaleka waya eluhlwini; wafika, wababuza abakûluwa bakê ukupîla kwabo.

23 Akubon'ukuba uyatêtâ nabo, nantso inyuka indoda efun'undikô, um-Filisti wase-Gati, egama lingu-Golivati, ivela ezintlwini zama-Filisti, yatêtâ kwa lawamazwi; weva-ke u-Davide.

24 Onke amadoda akwa-Sirayeli, akuyibona indoda-leyo, asaba ebusweni bayo, oyika kunene.

25 Atî ama-Sirayeli, Niyibonile-na lendoda inyukayo? kuba inyuka isiza kungcikiva ama-Sirayeli; yotî indoda etê yayibulala ityetyiswe ngukumkani ngobutyebi obukûlu, ayinike intombî yakê, ayenze indlu yoyise ikûluleke kwa-Sirayeli.

26 Watêtâ u-Davide kumadoda abemi ngakuye, watî, Yotîwa-nina indoda embuleleyo lom-Filisti, yayisusa ingcikivo kwa-Sirayeli? Ngokuba ungubanina um-Filisti, lento ingalûkileyo, ukuba ade angcikive izintlu zika-Tîxo opîlileyo?

27 Batêtâ abantu kuye ngokwelalizwi, batî, Uya kwenjiwa-nje umntu ombuleleyo.

28 Wayekuva u-Eliyabi umkûluwa wakê ukutêtâ kwakê namadoda, wavutâ umsindo ka-Eliyabi ku-Davide, watî, Uhlelenina? Uyishiye nabani-na lampahl' imfutshane imbalwa entlango? Ndiyakwazi mna ukukûkûmala kwakô, nobubi bentliziyo yakô; ngokuba uhle, uze kubonela ukulwa.

29 Watî u-Davide, Ndenze-ni ngoku? Bendibuza-nje kodwa.

30 We-guququ, wabêka komnye obemi ngakuye, watêtâ kwa elalizwi. Abantu babuya bampêndula kwa ngelalizwi lokuqala.

31 Aviwa amazwi awawatêtâyo u-Davide, axelwa pâmbî ko-Saule, waintâbatâ.

32 Wati u-Davide ku-Saule, Makungatâmbi ntliziyo yamntu ngenxa yakê; umkônzi wakô lo uya kuya alwe nalom-Filisti.

33 Wati u-Saule ku-Davide, Akunakuya kulom-Filisti ulwe naye; ngokuba usemncinane, abe yena eyindoda eqêl'ukulwa kwasebuncinaneni bakê.

34 Watî u-Davide ku-Saule, Umkônzi wakô lo ebesalûsa impahl' emfutshane yoyise, kwafika ingonyama ne-bere, yatâbatâ ixwâne emhlambîni;

35 Ndapûma, ndayilandela, ndayibetâ, ndalihlangula ixwane emlonyeni wayo. Yesuka pêzu kwam, ndayibambâ ngodevu lwayo, ndayibetâ, ndayibulala.

36 Umkônzi wakô wayibetâ ingonyama kwa ne-bere; lom-Filisti ungalûkileyo uya kuba njengenye kuzo-ke; ngokuba ungcikive izintlu zika-Tixo opîlileyo.

37 Watî u-Davide, U-Yehova owandihlangulayo etûpêni lengonyama nasetûpêni le-bere, nguye oya kundihlangula esandleni salom-Filisti. Watî u-Saule ku-Davide, Hambâ-ke, abe nawe u-Yehova.

38 U-Saule wamambâtîsa u-Davide ngezakê ingubo, wambeka isigcina-ntloko sobêdu entloko, wamfaka ingubo yentsimbî.

39 U-Davide walibînqa ilele ngapézulu kwengubo zakê, wazamela ukuhamba nga-

Digitized by Google

zo; ngokuba ebengekazilingi. Watî u-Davide ku-Saule, Andinakô ukuhambâ nezizinto; ngokuba andizilinganga. U-Davide wazihluba.

40 Watâbatâ intonga yakê ęsandleni sakê, wanyula amatye amahlanu abutêlezi emlanjaneni, wawafaka empahleni yabalûsi abe nayo, eyinxôwa, epêtê inkwîtshi yakê esandleni sakê, weza kum-Filisti-lowo.

41 Um-Filisti wahambâ waya esondela ku-Davide, nendoda epâtâ ikâka lakê ihambâ pâmbî kwakê.

42 Um-Filisti wondela, wambona u-Davide, wamdela; ngokuba ebe sengumfana oyingqombô, emhle imbônakalo.

43 Watî um-Filisti ku-Davide, Ndiyinjana, ukuba uze kum unentonga? Um-Filisti wamtshabisa u-Davide ngotîxo wakê.

44 Watî um-Filisti ku-Davide, Yiza kum apâ, ndiyinike intaka zezulu namafamncwa asendle inyama yakô.

45 Watî u-Davide kum-Filisti, Wena uza kum unerele nentshuntshe nomkônto; ke mna ndiza kuwe egameni lika-Yehova wemikôsi, u-Tîxo wezintlu zakwa-Sirayeli omngcikivileyo.

46 Namhla-nje u-Yehova uya kukunikela esandleni sam, ndikubulale, ndikunqumle intloko, namhla ndizinike intaka zezulu namafamncwa omhlaba izidûmbû zomkôsi wama-Filisti, wazi wonke umhlaba ukuba ama-Sirayeli anaye u-Tîxo;

47 Lazi lonke elibandla, ukuba akungarele, akungantshuntshe ukusindisa kuka-Yehova; ngokuba imfazwe yeka-Yehova, woninikela-ke esandleni setû.

48 Kwatî, xa asukayo um-Filisti, ehamb' esondela, esiya kumhlangabeza u-Davide, wakâuleza u-Davide, wabalekela eluhlwini, esiya kumhlangabeza um-Filisti.

49 U-Davide wafaka isandla sakê enxôweni, wafola ilitye kôna, wasaula, watsho kum-Filisti ebunzi, latshona ilitye ebunzini lakê, wawa ngobuso bakê emhlabeni.

50 U-Davide wameyisa-ke um-Filisti ngenkwîtshi nangelitye, watsho kum-Filisti, wambulala, kungekô rele esandleni sika-Davide.

51 Wagidima u-Davide, waya wema pêzu kom-Filisti, walitâbatâ irele lakê, walifola esinxôbeni salo, wambulala, wamnqumla intloko. Abona-ke ama-Filisti ukuba lifile igofa lawo, asaba.

52 Asuka amadoda akwa-Sirayeli nawakwa-Yuda, aduma, awasukela ama-Filisti kwada kwayiwa emfuleni, kwesa emasangweni ase-Ekron; awa ama-Filisti anxwelefiweyo endleleni yase-Shaharayim, kwesa nase-Gati, kwesa nase-Ekron.

53 Babuya onyana baka-Sirayeli ekuwasukeleni ngokushushu ama-Filisti, bazipânga in-tente zawo.

54 U-Davide wayitâbatâ intloko yom-Filisti, wayisa e-Yerusalem; impahla yakê wayibeka en-tenteni yakê.

55 Xa u-Saule ebembona u-Davide, epûma esiya kumhlangabeza um-Filisti, watî ku-Abinere umtêtêli-mkôsi, Wa Abinere, ngunyana kabani-na lomfana? Watî u-Abinere, Uhleli-nje umpêfumlo wakô, kumkani, andazi.

56 Watî ukumkani, Buza ukuba ngunyana kabanina lendodana.

57 Xa u-Davide wabuyayo ekumbulaleni um-Filisti, u-Abinere wamtâbatâ, wamzisa pâmbî ko-Saule, epêtê ngesandla intloko yom-Filisti.

58 Watî u-Saule kuye, Ungunyana kabanina, mfanandini? Watî u-Davide, Ndingunyana womkônzi wakô u-Isayi wase-Betelehem.

18 Kwatî, xa agqibileyo ukutêtâ ku-Saule, umpêfumlo ka-Yonatan wabopâna nompêfumlo ka-Davide; u-Yonatan wamtânda njengompêfumlo wakê.

2 U-Saule wamtâbatâ ngalomini, akamvumela ukuba abuyele endlwini kayise.

3 Benza umnqopîso o-Yonatan no-Davide ngokumtânda kwakê njengompêfumlo wakê.

4 U-Yonatan wayihluba ingubo yokwaleka abe nayo, wayinika u-Davide, nengubo zakê zokulwa, kwesa nakwirele lakê, nakwisapetâ sakê, nakumbînqo wakê.

5 Wapûma u-Davide, waya apô watûnywa kôna ngu-Saule, wenza ngengqiqo. Ũ-Saule wammisa pêzu kwamadoda okulwa; walunga emehlweni abantu bonke, nasemehlweni abakônzi baka-Saule.

6 Kwatî ekufikeni kwabo, ekubuyeni kuka-Davide ekumbulaleni um-Filisti, bapûma abafazi emizini yonke yakwa-Sirayeli, bevuma ingoma, bengqungqa, besiza ku-

Digitized by Google

mkâulela u-Saule ukumkani ngenqongqo, nangovuyo, nange-triyangile.

7 Bavuma abafazi abaqambâyo, batî,
U-Saule ubulele amawaka akê,
U-Davide *ubulele* amawaka akê angamashumi.

8 U-Saule wavutâ kunene ngumsindo, lalibi emehlweni akê elolizwi, watî, U-Davide bamnike amawaka alishumi, mna bandinike amawaka-nje; sekusele ukutî ubukumkani bube bobakê.

9 U-Saule wahlal'emgxeleshile u-Davide kususela kulomini nangasemva.

10 Kwatî ngengomso, umoya ombî ka-Tîxo wamfikela ngamandla u Saule, wageza endlwini; u-Davide ebetâ uhadi ngesandla sakê njengemihla; intshuntshe isesandleni sika-Saule.

11 U-Saule wabinza ngentshuntshe, watî, Ndiya kumqâma nodonga u-Davide. U-Davide wapêpâ izihlandlo zazibini pâmbî kwakê.

12 U-Saule wamoyika u-Davide, ngokuba u-Yehova ebe naye, emkile ku-Saule.

13 U-Saule wamsusa kuye, wammisa wangumtêtêli wakê wewaka; wapûm' engena pâmbî kwabantu.

14 U-Davide wenza ngengqiqo ezindleleni zakê zonke, u-Yehova waye naye.

15 Wabona u-Saule ukuba unengqiqo enkulu wanxungupâla bubuso bakê;

16 Ke onke ama-Sirayeli nama-Yuda ebemtânda u-Davide, ngokuba ebepûm' engena pâmbî kwawo.

17 Watî u-Saule ku-Davide, Nantso intombî yam enkulu u-Merabi, ndiya kunika ibe ngumkakô; kodwa yiba ngumfo onobuřotî kum, ulwe imfazwe zika-Yehova. U-Saule ebesitî, Makungafiki esam isandla kuye, makufike esama-Filisti isandla kuye.

18 Watî u-Davide ku-Saule, Ndingubanina, eyinto-nina amakowetu; angumzalwane kabawo kwa-Sirayeli, ukuba ndibe ngumyeni kukumkani?

19 Kwatî ngexesha lokuba u-Merabi intombî ka-Saule inikwe u-Davide, wasuka wanikwa u-Adriyeli wase-Mehola ukuba abe ngumkakê.

20 U-Mikali intombî ka-Saule yamtânda u-Davide. Waxelelwa u-Saule, yalunga lonto emehlweni akê.

21 Watî u-Saule, Ndiya kumnika yona ibe ngumgibe kuye, sibe kuye isandla sama-Filisti. Watî u-Saule ku-Davide, Uya kuba ngumyeni kum namhla ngandlela mbîni.

22 U-Saule wabawisela abakônzî bakê umtêtô, watî, Têtâni ngasese ku-Davide, nitî, Yabona, ukumkani ukunanzile, bonke abakônzi bakê bayakutânda; kengoko yiba ngumyeni kukumkani.

23 Bawatêtâ abakônzi baka-Saule lomazwi ezindlebeni zika-Davide. Watî u-Davide, Yinto elula-na emehlweni enu ukuba ngumyeni kukumkani, ndiyindoda elihlwempu-nje, ndilula-nje?

24 Abakonzi baka-Saule bamxelela, besitî, U-Davide utêtê wenje-nje.

25 Watî u-Saule, Yitshoni ku-Davide ukutî, Ukumkani akananze kâzi, lingelikûlu lamajwabu ama-Filisti, ukuba azipîndezelele ezintshabeni zokumkani. Ke u-Saule ubecinga ukumwisa u-Davide ngesandla sama-Filisti.

26 Abakônzi bakê bamxelela u-Davide lomazwi; yalunga lonto emehlweni ka-Davide, ukuba abe ngumyeni kukumkani. Kekaloku imihla ibingekazaliseki,

27 Wesuka u-Davide, waya yena namadoda akê, wabulala kuma-Filisti amadoda angamakûlu amabini. U-Davide wawazisa amajwabu awo, bawanika ukumkani engangoko angako, ukuba abe ngumyeni kukumkani. U-Saule wamnika-ke u-Mikali intombî yakê, yangumkakê.

28 Wakubona u-Saule, wakwazi ukuba u-Yehova ebe no-Davide. U-Mikali intombî ka-Saule ubemtânda.

29 U-Saule wamoyika okunye u-Davide: u-Saule waba lutshaba ku-Davide imihla yonke.

30 Bapûma abatêtêli bama-Filisti; kwatî, bakupûma, u-Davide wenza ngengqiqo ngapézu kwabakônzi bonke baka-Saule. Lanconywa kunene igama lakê.

19 Watêtâ u-Saule ku-Yonatan unyana wakê, nakubakônzi bake bonke, ukuba bambulale u-Davide. Ke u-Yonatan unyana ka-Saule ubemtânda kunene u-Davide.

2 U-Yonatan wamxelela u-Davide, esitî, U-Saule ubawo ufuna ukukubulala; ngoko uzuk'uzigcine kusasa, uhlale endaweni esese, uzimele.

3 Mna ndiya kupûma, ndime ngaseca-

Digitized by Google

leni likabawo endle, apô ukôna, nditêtê kubawo ngawe, ndikubone oko *aya kukutêtâ*, ndikuxelele.

4 U-Yonatan watêtâ okulungileyo ngo-Davide ku-Saule uyise, watî kuye, Makangoni ukumkani kumkônzi wakê u-Davide; ngokuba akônanga kuwe; kuba izenzo zakê zitê zalunga kunene kuwe;

5 Umpêfumlo wakê wawenza isicenge, wambulala um-Filisti, u-Yehova wawenzela ama-Sirayeli onke usindiso olukûlu; wabona nawe, wavuya. Yinina-ke ukuba wône kwigazi elimsulwa, umbulale u-Davide kungekô sizatu?

6 Walipûlapûla u-Saule izwi lika-Yonatan, wafunga u-Saule, watî, Ehleli-nje u-Yehova, akayi kubulawa.

7 U-Yonatan wambiza u-Davide; u-Yonatan wamxelela lamazwi onke. U-Yonatan wamzisa u-Davide ku-Saule; waba pâmbî kwakê njengapâmbîli.

8 Yabuya yabakô imfazwe; wapûma u-Davide, walwa nama-Filisti, wawabulala kakûlu; asaba pâmbî kwakê.

9 Umoya ombi ka-Yehova wamfikela u-Saule, ehleli endlwini yakê, intshuntshe yakê isesandleni sakê; u-Davide ebetâ uhadi ngesandla.

10 U-Saule wafuna ukumqâma nodonga u-Davide ngentshuntshe. Watî-nyebelele ebusweni buka-Saule; watsho yangena intshuntshe eludongeni. Wasaba u-Davide, wasinda ngobobusuku.

11 U-Saule watûmela abatûnywa endlwini ka-Davide ukuba bamlinde, bambulale kusasa. U-Mikali umkakê wamxelela u-Davide, esitî, Ukuba utê akwawusindisa umpêfumlo wakô kwa ngobubusuku, wobulawa ngomso.

12 U-Mikali wamhlisa u-Davide nge-festile; wahambâ wabaleka, wasinda.

13 U-Mikali wayitâbatâ imilonde-kâya, wayilalisa elukûkweni, *wabeka* nomluko woboya be-bôkwe entloko yayo, wayigubungela ngengubo.

14 U-Saule wasusa abatûnywa ukuba bamtâbatê u-Davide. Watî yena, Uyafa.

15 U-Saule wasusa abatûnywa ukuba baye kumkângela u-Davide, esitî, Nyukani, nize naye kum ngokûko, ndimbulale.

16 Bangena abatûnywa, O! yimilondekâya le iselukûkweni, nomluko woboya be-bôkwe entloko yayo.

17 Watî u-Saule ku-Mikali, Yinina ukuba wenje-nje ukundikôhlisa, ulundulule utshaba lwam lusinde. Watî u-Mikali ku-Saule, Watî yena kum, Ndiyeke ndimke, yinina ukuba ndikubulale?

18 Ebalekile u-Davide, wasinda, waya ku-Samuweli e-Rama, wamxelela konke abekwenzile u-Saule kuye. Wahambâ yena no-Samuweli, bahlala e-Nayoti.

19 Waxelelwa u-Saule, kusitîwa, Nanko u-Davide e-Nayoti ngase-Rama.

20 U-Saule wasusa abatûuywa bokumbambâ u-Davide. Babona ibandla laba-profeti be-profeta, no-Samuweli emi engumongameli wabo. Umoya ka-Tîxo wabafikela abatûnywa baka-Saule, ba-profeta kananjalo nabo.

21 Waxelelwa u-Saule, wasusa abanye abatûnywa, ba-profeta kananjalo nabo. Wapînda u-Saule wasusa abatûnywa bengabesitâtû, ba-profeta kananjalo nabo.

22 Waya naye e-Rama, wafika kwiqula elikûlu elise-Seku, wabuza, watî, Bapîna o-Samuweli no-Davide? kwatîwa, Nabaya e-Nayoti ngase-Rama.

23 Waya kôna e-Nayoti ngase-Rama, umoya ka-Tîxo wamfikela naye; wahambâ ehamb' eprofeta, wada wafika e-Nayoti ngase-Rama.

24 Wazihluba naye ingubo zakê, waprofeta naye pâmbî ko-Samuweli, wawa pântsi ezé yonke lomini nobobusuku bonke. Ngenxa yoko kwatîwa, Ukuba-profeti no-Saule-na?

20 Wabaleka u-Davide e-Nayoti ngase-Rama, weza, watî pâmbî ko-Yonatan, Ndenze nto-nina? buyinina ubugwenxa bam? siyinina isono sam pâmbî koyihlo, ukuba anxâmele umpêfumlo wam-nje?

2 Watî yena kuye, Makube lê oko; akuyi kufa. Uyabona, ubawo akenzi nenkulu into nencinane into angayitŷileli indlebe yam; ubawo uyifihlele-nina-ke lento kum? akunjalo.

3 Wafunga pêzu koko u-Davide, watî, Uyihlo uyazi kakuhle ukuba undibabale utî, Makangakwazi oku u-Yonatan, hleze abe buhlungu. Inene, ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje umpêfumlo wakô, ngatî sitûba esinye sokunyatêla esipâkatî kwam nokufa.

4 Watî u-Yonatan ku-Davide, Into oyitêtâyo umpêfumlo wakô ndiya kuyenza.

Digitized by Google

5 Watí u-Davide ku-Yonatan, Uyabona, iya kutwâsa inyanga ngomso; ndifanele ukuhlala nokumkani, ndidle; ndindulule, ndiye kuzifihla endle kude kuhlwe ngosuku lwesitâtû.

6 Ukuba uyihlo utê wandifuna wotí wena, Ucele kum wandibongoza u-Davide, ukuba agidime aye e-Betelehem emzini wakowabo; ngokuba kukô umbingelelo weminyaka ngeminyaka apô, owenzelwa umzi wonke wakowabo.

7 Ukuba *uyihlo* utê, Kulungile: koba kuluxolo kumkônzi wakô. Ke ukuba utê wavutâ kakûlu ngumsindo: yazi ukuba ugqibe kwelobubi.

8 Ngoko-ke uz'umenzele inceba umkônzi wakô; ngokuba umngenise emnqopísweni ka-Yehova umkônzi wakô lo nawe. Ke ukuba butê bakô kum ubugwenxa: ndibulale wena ngokwakô; yinina ukuba undise kuyihlo?

9 Watí u-Yonatan, Makube lê kuwe; ukuba nditê ndazi kakuhle ukuba ubawo ugqibe kwelokuba ufikelwe bububi, bendingekuxeleli-na?

10 Watí u-Davide ku-Yonatan, Hi ukuba uyihlo ukupêndule kalukûni, ndoxelelwa ngubanina?

11 Watí u-Yonatan ku-Davide, Hambâ, sipûme siye ezindle. Bapûma bobabini baya ezindle.

12 Wati u-Yonatan ku-Davide, Yehova, Tíxo ka-Sirayeli, xa nditê ndamgocagoca ubawo malunga nelixesha ngomso nangoms' omnye, kwabonakala ukuba kulungile ku-Davide, ndaza andatûmela kuwe, ndiyitŷilele indlebe yakô:

13 Makenje-nje u-Yehova ku-Yonatan, makaqokele ukwenje-nje. Xa kutê kwalunga kubawo ukuba akwenze ububi: ndoyitŷilela indlebe yakô, ndikundulule, uhambê unoxolo; u-Yehova makabe nawe, njengokuba ebe nobawo;

14 Wanga ungati, ukuba ndisapílile, undenzele inceba ka-Yehova;

15 Ungatí, ndakufa, uyinqumle inceba yakô endlwini yam nanini, ungenje njalo nasekuzinqamleni kuka-Yehova intshaba zika-Davide, zonke ngazinye ebusweni bomhlaba.

16 Wanqopísana-ke u-Yonatan nendlu ka-Davide *esití*, U-Yehova makakubuze-ke oku esandleni sentshaba zika-Davide.

17 Wapínda u-Yonatan ukumfungisa u-Davide ngokumtânda kwakê; ngokuba ebemtânda njengompêfumlo wakê.

18 U-Yonatan watí kuye, Ngomso iya kutwâsa inyanga; uya kubuzwa, ngokuba isihlalo sakô siya kuba sodwa.

19 Ngomhla wesitâtû uz'uhle kamsinya, uye kulondawo wauzifihle kuyo ngemini yomsebenzi-lowa, uhlale ecaleni lelitye le-Ezeli;

20 Ndizitolele intolo zontatû ecaleni lalo, ndinge ndizixunela e-tikinini.

21 Yabona, ndiya kumtûma umfana, nditi, Yiya, uzitâbâte intolo. Ukuba nditê kumfana, Nanzi intolo zinganeno kwakô, zitâbatê: woza wena; ngokuba kuluxolo kuwe, akukô nto, ehleli-nje u-Yehova.

22 Ke ukuba nditê kwindodana-leyo, Nanzo intolo zingapâya kwakô: hambâ, ngokuba u-Yehova woba ukundulule.

23 Ke ilizwi-eliya silitêtílleyo mna nawe, yabona, u-Yehova upâkatí kwam nawe kude kuse epâkadeni.

24 Wazimela-ke u-Davide ezindle. Yatwâsa inyanga; wahlala ukumkani esidlweni ukuba adle.

25 Wahlala ukumkani esihlalweni sakê njengezinye izihlandlo esihlalweni saseludongeni. Wesuka wema u-Yonatan. Wahlala u-Abinere ecaleni lika-Saule, yayodwa indawo ka-Davide.

26 Akatêtâ nto u-Saule ngalomini; ngokuba ebesitî, Uhlelwe yinto; akahlambûlukile, inene, akahlambûlukile.

27 Kwatí ngengomso, iselitwâsile nenyanga ngosuku lwesibini, ayaba namntu indawo ka-Davide. Watí u-Saule ku-Yonatan unyana wakê, Yinina ukuba angezi kudla unyana ka-Isayi nayizolo nanamhla?

28 U-Yonatan wampêndula u-Saule, watí, U-Davide ucele kum, wandibongoza ukuba aye e-Betelehem;

29 Watí, Kâundiyeke ndiye; ngokuba kukô umbingelelo wemizalwana yakowetû ekâya; ke yena umkuluwa wam undiwisele umtêtô; kaloku ukuba undibabale makê ndigidime, ndibone umkuluwa wam. Kungenxa yoko angezanga etafileni yokumkani.

30 Wavutâ-ke umsindo ka-Saule ku-Yonatan, watí kuye, Nyana wegwenxakazi eligwilikileyo, andazi yinina ukuba unya-

Digitized by Google

na ka-Isayi umnyulele ukuba abe lihlazo lakô, nehlaze lobuzé bonyoko?

31 Kuba yonke imihla, unyana ka-Isayi aya kudla ubomi ngayo emhlabeni, akuyi kuqiniseka wena nobukumkani bakô. Tûmela ngoko, umzise kum, ngokuba engumntwana wokufa.

32 U-Yonatan wampêndula u-Saule uyise, watî kuye, Yinina ukuba abulawe? ufa nganina.

33 U-Saule wabinza ngentshuntshe ukuba atsho kuye. Wazi u-Yonatan, ukuba uyise ugqibe kwelokuba ambulale u-Davide.

34 U-Yonatan wesuka-ke e-tafileni evutâ ngumsindo; akadla kudla ngomhla wesibini wenyanga; ngokuba ube buhlungu ngo-Davide, kuba uyise ubemhlazisile.

35 Kwatî ngengomso, wapûma u-Yonatan waya ezindle, ukuba ahlangane no-Davide, enomfana omncinane.

36 Watî kumfana, Kâubaleke, uzitâbatê intolo endizixunayo. Umfana wabaleka; ke yena wazixuna intolo, ukuze zigqitê kuye.

37 Wafika umfana kulondawo belukuyo utolo abeluxunile u-Yonatan. Wamemeza u-Yonatan kumfana, watî, Nalo ngapâya kwakô utolo.

38 Wamemeza u-Yonatan kumfana, watî, Kâuleza, nxâma, mus'ukuma. Umfana wakwa-Yonatan walucôla utolo, waluzisa enkosini yakê.

39 Umfana ubengazi nto. Ngu-Yonatan no-Davide abebeyazi lonto.

40 U-Yonatan wayinikela impahla yakê umfana lo abe naye, watî kuye, Hambâ uyise ekâya.

41 Umfana-lo waya. Wesuka u-Davide, evela ecaleni langase-Zantsi, wawa ngobuso emhlabeni, waqubuda izihlandlo zozitâtû; bangana, balilelana, wada u-Davide watsho kakûlu.

42 Watî u-Yonatan ku-Davide, Hambâ unoxolo, *makume* esikufungele igama-lika-Yehova tîna sobabini, sisitî, U-Yehova makabe pâkatî kwam nawe, napâkatî kwembêwu yam nembewu yakô kude kuse epâkadeni. Wesuka-ke wahambâ. Ke u-Yonatan waya ekâya.

21 U-Davide waya e-Nobi ku-Ahimeleki umenzeleleli. U-Ahimeleki wamkâulela u-Davide egubâ, watî kuye, Yinina ukuba uze wedwa, kungekô ndoda ihambâ nawe.

2 Watî u-Davide ku-Ahimeleki umenzeleli, Ukumkani undiwisele umtêtô ngento, watî kum, Makungabikô mntu wazini yani ngalento ndikutûmayo, ndikuwiseleyo umtêtô ngayo; ke abafana ndibayalele ekutîni nasekutîni.

3 Kaloku kukô nto-nina pântsi kwesandla sako? Ndinike esandleni izonka zibe zihlanu nokuba yinto-ni efumanekayo.

4 Umenzeleleli wampêndula u-Davide, watî kuye, Akukô sonka sisesabantu bonke pântsi kwesandla sam, sesingcwele sodwa isonka esikôyo; ukuba abafana batê kodwa bazigcina kubafazi.

5 U-Davide wampêndula umenzeleleli, watî kuye, Inene abafazi batîntelekile ukuza kutî ezintsuku zontatû; ekupûmeni kwam ibingcwele impahla yabafana; nokuba ibiyindlela yabantu bonke, yosuke ingcwaliswe yimpahla-le namhla.

6 Umenzeleleli wamnika-ke esingcwele; ngokuba bekungekô zonka kôna ezingezizo zokubonisa, ebezisuswe pâmbî ko-Yehova, ukuba kumiswe izonka ezishushu ngemini yokutâtyatwa kwazo.

7 Kekaloku kwaye kuvalelwe kôna indoda yakubakônzi baka-Saule ngalomini pâmbî ko-Yehova, egama belingu-Dowegi um-Edom, inganga yabalûsi baka-Saule.

8 Watî u-Davide ku-Ahimeleki, Akukô ntshuntshe narele-na apâ pântsi kwesandla sakô? kuba irele lam kwa nentonga zam andizipâtânga; ngokuba umcimbî kakumkani unxâmisekile.

9 Watî umenzeleleli, Irele lika-Goliyati um-Filisti, owambulala entilini ka-Ela, nali lisongelwe engutyeni emva kwe-efodi. Ukuba uyalitâbatâ, litâbatê; ngokuba akukô limbî. Watî u-Davide, Akukô linjengalo, ndinike lona.

10 Wesuka u-Davide, wabaleka ngalomini ebusweni buka-Saule, waya ku-Akishe ukumkani wase-Gati.

11 Batî abakônzî baka-Akishe kuye, Asinguye-na lo u-Davide ukumkani welizwe? Asinguye-na lo babevuma ngaye ekungqungqeni besitî,

U-Saule ubulele amawaka akê,
U-Davide *ubulele* amawaka akê angamashumi?

12 U-Davide wawagcina lomazwi entli-

Digitized by Google

ziyweni yakê, woyika kunene ebusweni buka-Akishe ukumkani wase-Gati.

13 Wazipâmbânisa ingqondo pâmbî kwabo, wazigezisa esandleni sabo, waṙwela ezingcangweni zesango, wavuzisa ulucwe ezindevini zakê.

14 Watî u-Akishe kubakônzi bakê, Kângelani, nantsi lendoda isisihiba; yinina ukuba niyizise kum?

15 Ndiswele izihiba yinina, ukuba nizise lo abûdele pêzu kwam? Wongena yinina lo endlwini yam?

22 Wemka-ke u-Davide apô, wazisindisela emqolombêni wase-Adulam. Beva abakuluwa bakê nendlu kayise yonke, behla baya kuye kôna.

2 Abutêlana kuye onke amadoda axinekileyo namadoda onke anamatyala, namadoda onke aneziṙoṙo; waba ngumtêtêli wawo: aba kuye amadoda akumakûlu amane.

3 U-Davide wemka kôna, waya e-Mitspe kwa-Mowabi, watî kukumkani wakwa-Mowabi, Makê bapûme ubawo nomá, bahlale nani, ndide ndazi into aya kundenzela yona u-Tîxo.

4 Wabazisa pâmbî kokumkani wakwa-Mowabi; bahlala naye yonke imihla abe sembôniselweni u-Davide.

5 Watî u-Gadi um-profeti ku-Davide, Uz'ungahlali embôniselweni; hambâ uye ezweni lakwa-Yuda. Wahambâ-ke u-Davide, waya ehlatîni le-Harete.

6 Weva u-Saule ukuba uyaziwa u-Davide, namadoda abe naye. U-Saule ebehleli e-Gibeha pântsi kom-tamariske osemmangweni, intshuntshe yakê isesandleni sakê, abakônzi bakê bonke bemi ngakuye.

7 Watî u-Saule kubakônzi bake ababemi ngakuye, Kânive, nyana baka-Benyamin, unyana ka-Isayi woninika amasimi nezidiliya nonke nipêla yinina; anenze abatêtêli-mawaka nabatêtêli-makûlu nonke nipêla yinina;

8 Ukuba-nje nonke nipêla nindicebe, kungabikô namnye uyitŷilelayo indlebe yam ukunqopîsana konyana wam nonyana ka-Isayi, kungabikô namnye kuni ubuhlungu ngenxa yam, ayitŷilele indlebe yam ukuba unyana wam umvusile umkônzi wam, ukuba andilalele njengoko kunjalo namhla?

9 Wapêndula u-Dowegi um-Edom, obemiswe pêzu kwabakônzi baka-Saule, watî, Ndimbonile unyana ka-Isayi efika e-Nobi ku-Ahimeleki unyana ka-Ahitubi.

10 Waza yena wambuzela ku-Yehova, wamnika umpâko, wamnika neṙele lika-Goliyati um-Filisti.

11 Watûmela ukumkani, wambiza u-Ahimeleki unyana ka-Ahitubi, umenzeleleli, nendlu yonke kayise. Abenzeleleli ababe se-Nobi beza bonke kukumkani.

12 Watî u-Saule, Kâuve, nyana ka-Ahitubi. Watî yena, Ndikô, nkosi yam.

13 Watî u-Saule kuye, Yinina ukuba nindicebe wena nonyana ka-Isayi, umnike isonka neṙele, umbuzele ku-Tîxo, ukuba asuke andilalele, njengoko kunjalo namhla.

14 U-Ahimeleki wampêndula ukumkani, watî, Ngubani-ke kubakônzi bakô bonke otêmbeke njengo-Davide, umyeni kukumkani, onokungena epâkatîni lakô, ozukileyo endlwini yakô?

15 Ndiyaqala yinina namhla ukumbuzela ku-Tixo? Makube lê oko kum; ukumkani makangamtŵalisi luto umkônzi wakê lo, nendlu yonke kabawo; ngokuba umkônzi wakô lo akazi luto kuyo yonke lento, nokuba loluncinane, nokuba lolukûlu.

16 Watî ukumkani, Uya kufa ufe, Ahimeleki, wena nendlu yonke kayihlo.

17 Watî ukumkani kwizigidimi zakê ebezimi ngakuye, Jikani, nibabulale abenzeleleli baka-Yehova; kuba nesabo isandla sino-Davide, nangokuba babesazi oko wabalekayo yena, abayitŷilela indlebe yam. Abavuma abakonzi bokumkani ukusa isandla sabo, baxabele kubenzeleleli baka-Yehova.

18 Watî ukumkani ku-Dowegi, Jika wena, uxabele kubenzeleleli. Wajika-ke u-Dowegi um-Edom, waxabela yena kubenzeleleli, wabulala ngalomini amashumi asibôzo anamahlanu amadoda enxibe i-efodi ye-linen emhlopê.

19 Ne-Nobi, umzi wabenzeleleli, wayitshabalalisa ngohlangotî lweṙele, etâbatêla kwindoda ase kumfazi, etâbatêla kwintsapo ase kwintsana, nenkomo, ne-esile, negusha, ngohlangotî lweṙele.

20 Kwasinda unyana wamnye ka-Ahimeleki unyana ka-Ahitubi, ogama belingu-Abiyatare; owabaleka walandela u-Davide.

Digitized by Google

21 U-Abiyatare wamxelela u-Davide, ukuba u-Saule ubabulele abenzeleleli baka-Yehova.

22 Watî u-Davide ku-Abiyatare, Bendisazi kwangalomini, ukuba ekô-nje u-Doweg um-Edom, uya kumxelela kakade u-Saule. Ndim obulalise imipêfumlo yonke yendlu kayihlo.

23 Hlala nam, mus'ukoyika; ngokuba ofuna umpêfumlo wam ufuna umpêfumlo wakô; ngokuba ugcinakele unam-nje.

23 Kwaxelwa ku-Davide, kwatîwa, Nanga ama-Filisti esilwa ne-Kehila, ayazidywida izandâ.

2 U-Davide wabuza ku-Yehova, watî, Ndiye-na ndiwacîtê lama-Filisti? Watî u-Yehova ku-Davide, Yiya uwacîtê ama-Filisti, uyisindise i-Kehila.

3 Atî amadoda akwa-Davide kuye, Nanku tîna sisoyika sikwa-Yuda apâ. Sobeka pîna, xa sitê saya e-Kehila ezintlwini zama-Filisti?

4 Wapînda u-Davide, wabuza ku-Yehova kanjalo. Wampêndula u-Yehova, watî, Suka uhle, uye e-Kehila; ngokuba ndiya kuwanikela ama-Filisti esandleni sakô.

5 Waya-ke u-Davide namadoda akwakê e-Kehila, walwa nama-Filisti, wayiqûba imfuyo yawo, wawabulala kakûlu. Wabasindisa-ke u-Davide abemi be-Kehila.

6 Kwatî, ekubalekeleni kuka-Abiyatare unyana ka-Ahimeleki ku-Davide e-Kehila, wehla ene-efodi esandleni sakê.

7 Kwaxelwa ku-Saule, ukuba u-Davide ufikile e-Kehila. Watî u-Saule, U-Tîxo umlahlele esandleni sam; ngokuba uzivalele ngokungena emzini onengcango nemivalo.

8 U-Saule wababizela ndawonye emfazweni bonke abantu, ukuba behle baye e-Kehila, bangqinge u-Davide namadoda akê.

9 Wazi u-Davide ukuba u-Saule umenzela ububi, watî ku-Abiyatare umenzeleleli, Zisa i-efodi leyo.

10 Watî u-Davide, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, uvile ngenene umkônzi wakô, ukuba u-Saule ufuna ukuza e-Kehila, ukuba awonakalise lomzi ngenxa yam.

11 Abemi be-Kehila bondinikela-na esandleni sakê? Wohla-na u-Saule, njengoko avileyo umkônzi wakô? Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, kâumxelele umkônzi wakô. Watî u-Yehova, Uya kuhla.

12 Watî u-Davide, Abemi be-Kehila bondinikela-na mna namadoda am esandleni sika-Saule? Watî u-Yehova, Bokunikela.

13 Wesuka u-Davide namadoda akê, bekumakûlu amatândatû amadoda, bapûma e-Kehila, bahambâ apô bangahambâ kôna. Waxelelwa u-Saule, ukuba u-Davide usabile e-Kehila; wayeka, akapûma.

14 Wahlala-ke u-Davide entlango ezimbôniselweni, wahlala ezintabeni entlango ye-Zifi. U-Saule wamfuna imihla yonke; u-Tîxo akamnikela esandleni sakê.

15 Wabona u-Davide ukuba u-Saule upûme eza kufuna umpêfumlo wakê; u-Davide ebe sentlango ye-Zifi entshinyeleni yehlatî.

16 Wesuka u-Yonatan unyana ka-Saule, waya ku-Davide entshinyeleni yehlatî. Wasomeleza isandla sakê ku-Tîxo,

17 Watî kuye, Mus'ukoyika, ngokuba isandla sika-Saule ubawo asiyi kukufumana. Wena uya kuba ngukumkani kuma-Sirayeli, mna ndibe nganeno kwakô; kananjalo u-Saule ubawo uyakwazi kakuhle oku.

18 Benza umnqopîso bobabini pâmbî ko-Yehova. U-Davide wahlala entshinyeleni yehlatî apô, u-Yonatan waya endlwini yakê.

19 Benyuka abase-Zifi, baya ku-Saule e-Gibeha, besitî, U-Davide akazizimeze kutî yinina ezimbôniselweni, entshinyeleni yehlatî, endulini ye-Hakila esekunene kwenkangala?

20 Kaloku yihla, kumkani, ngokomnqweno wonke wompêfumlo wakô ukuhla; kunatî ukumnikela esandleni sokumkani.

21 Watî u-Saule, Nisikelelwe ngu-Yehova; ngokuba ninofefe kum.

22 Kâniye nigqale okunye, nazi, nibone indawo yakê, apô unyawo lwakê lukôna, *nokuba* ngubanina ombone kôna; ngokuba kutîwa kum, Asikukô nokuba unobuqôpôlolo.

23 Nibone nazi indawo zonke zokuzimela, aya kuzimela kuzo, nibuyele kum niqiqile, ndohambâ nani. Kotî, ukuba ukô kwelilizwe, ndimfune ndifumane pâkati kwamawaka onke akwa-Yuda.

24 Besuka-ke baya e-Zifi pâmbî ko-Saule. U-Davide namadoda akê waye se-

Digitized by Google

ntlango ye-Mahon, e-Araba ngasekunene kwenkangala.

25 Wahambå u-Saule namadoda akê u-kuya kumfuna. Bamxelela u-Davide. Wehla-ke waya engxondoŕeni, wahlala entlango ye-Mahon. Weva u-Saule, wamsukela u-Davide entlango ye-Mahon.

26 Wahambå u-Saule ngelicala lentaba; wahambå u-Davide namadoda akê ngelacala lentaba. U-Davide wemka bupûtûpûtû ngokoyika u-Saule; ke u-Saule namadoda akê babemŕaula u-Davide namadoda akê, ukuba bababambê.

27 Kekaloku kwafika umtûnywa ku-Saule, esitî, Kâuleza uze, ngokuba ama-Filisti alingenele ilizwe.

28 Wabuya-ke u-Saule ekumsukelenî u-Davide, waya kuwahlangabeza ama-Filisti. Ngenxa yoko kwatîwa londawo yi-Sela-hamalekoti.[1]

29 Wenyuka apô u-Davide, wahlala ezimbôniselweni zase-En-gedi.

24 Kwatî, xa u-Saule wabuyayo ekuwasukeleni ama-Filisti, bamxelela, besitî, Nanku u-Davide entlango ye-Engedi.

2 U-Saule wawatâbatâ amadoda angamawaka amatâtû ahleliweyo kuma-Sirayeli onke; waya kufuna u-Davide namadoda akê emaweni amagogo.

3 Wafika ezibayeni zempahl emfutshane, ngasendleleni, kukô unqolombâ apô. Wangena u-Saule, ukuba agubungele inyawo zakê. Ke u-Davide namadoda akê babehleli entla emqolombêni.

4 Atî amadoda ka-Davide kuye, Nantsi imini, atê u-Yehova kuwe, Yabona, ndiya kulunikela utshaba lwakô esandleni sakô, wenze kulo njengoko kulungileyo emehlweni ako. Wesuka u-Davide, wanqamla ngasese isondo lengubo yokwaleka abe nayo u-Saule.

5 Kwatî emveni koko, intliziyo ka-Davide yakâtâzeka ngenxa yokuba ebelinqamle isondo lengubo ka-Saule.

6 Watî kumadoda akê, Makube lê kum ngenxa ka-Yehova ukutî ndiyenze lonto enkosini yam, umtânjiswa ka-Yehova, ndisise isandla sam kuye; ngokuba ngumtânjiswa ka-Yehova.

7 U-Davide wawadubula ngamazwi amadoda akê; akawavumela ukuba amwele u-Saule. Wesuka u-Saule emqolombêni, wahambâ indlela yakê.

8 Wesuka u-Davide emveni koko, wapûma emqolombêni, wamemeza ku-Saule, watî, Nkosi yam, kumkani. Wabêka emva u-Saule. Watôba u-Davide ngobuso emhlabeni, waqubuda.

9 Watî u-Davide ku-Saule, Yinina ukuba uve amazwi abatê, Nanku u-Davide efuna ukuba *uhlelwe* bububi.

10 Yabona, namhla abonile amehlo akô, ukuba u-Yehova ebekunikele esandleni sam namhla emqolombêni; kwatîwa, maubulawe. Laba nenceba kuwe iliso lam, ndatî, Andiyikusa sandla enkosini yam; ngokuba ingumtânjiswa ka-Yehova.

11 Kângela-ke, bawo, nali isondo lengubo yakô yokwaleka lisesandleni sam; ngokuba ndingakubulalanga ekulinqumleni isondo lengubo yakô yokwaleka; yazi, ubone ukuba esandleni sam akukô bubi nalureqo; andonanga kuwe; uwuzingela-nje umpêfumlo wam ukuba uwutâbatê.

12 U-Yehova uya kugweba pâkatî kwam nawe, andipîndezelele u-Yehova kuwe; ke isandla sam asiyi kukupâtâ;

13 Njengoko litshoyo iqâlo lamanyange ukuti, Okungendawo kupûma kwabangendawo; ke isandla sam asiyi kufikelela kuwe.

14 Upûmelene nabanina kodwa ukumkani wama-Sirayeli? usukela banina? Usukela inja efileyo, usukela intakumbâ embâla.

15 U-Yehova makabe ngumgwebi, agwêbe pâkatî kwam nawe, abone, abambâne ngobambâno lwam, andigwebele, ndisinde esandleni sakô.

16 Kwatî, akugqiba u-Davide ukuwatêtâ lamazwi ku-Saule, watî u-Saule, Lizwi lakô-na elo, nyana wam Davide? U-Saule walipâkamisa izwi lakê, walila.

17 Watî ku-Davide, Ilungisa nguwe kunam; ngokuba undenze okulungileyo wena, ndakwenza okubi mna.

18 Wena uxelile namhla ukuba undenze okulungileyo; kuba u-Yehova ebendinikele esandleni sakô, akwandibulala.

19 Xa umntu alufumanayo utshaba lwakê, wolundulula ngendlela elungileyo yinina? U-Yehova makabuyekeze kuwe okulungileyo ngenxa yoko undenze ngako namhla.

20 Kaloku yabona, ndiyazi ukuba uya kuba ngukumkani okunene, bume esandleni sako ubukumkani bakwa-Sirayeli.

[1] Ingxondoŕa yokusinda.

Digitized by Google

21 Ndifungele u-Yehova ngoko, ukuba akuyi kuyinqamla imbewu yam emveni kwam, nokuba akuyi kulitshabalalisa igama lam endlwini kabawo.

22 U-Davide wamfungela-ke u-Saule. Wemka u-Saule, waya endlwini yakê. Ke u-Davide namadoda akê benyuka baya embôniselweni.

25 Wafa u-Samuweli. Abutêlana onke ama-Sirayeli, ammbâmbâzelela, amncwabela endlwini yakê e-Rama. Wesuka u-Davide, wehla waya entlango ye-Paran.

2 Kekaloku bekukô indoda e-Mahon, emsebenzi ubuse-Karmele. Londoda-ke ibisisityebi kakûlu; yayinegusha ezingamawaka amatâtû, ne-bôkwe eziliwaka. Yayisekucêtyweni kwegusha zayo e-Karmele.

3 Igama lalondoda lalingu-Nabali, igama lomkayo lalingu-Abigali. Umfazi lowo wayenengqondo entle, eyinzwakazi; ke indoda-leyo yayiyincûka, zimbî intlondi zayo, ingum-Kalebi.

4 Weva u-Davide entlango ukuba u-Nabali ucêba igusha zakê,

5 U-Davide wesusa ishumi lamadodana; watî u-Davide kumadodana lawo, Nyukani e-Karmele niye ku-Nabali, nibuze ukupîla kwakê ngegama lam,

6 Nitsho ukutî, Hlala kakuhle upîle wena, ipîle nendlu yakô, kupîle konke onakô.

7 Ndivile kaloku, ukuba unabacêbi. Kekaloku abalûsi bakô babe natî, asibenzanga nto, abalahlekelwanga nto yonke imihla ababe se-Karmele.

8 Buza kumadodana akô, okuxelela. Makababalwe nguwe lamadodana *akowetû*, ngokuba sifike ngemini elungileyo. Kâubanike abakônzi bako nonyana wakô u-Davide into esitê sayifumana isandla sakô.

9 Aya-ke amadodana ka-Davide, atêta ku-Nabali ngokwalomazwi onke ngegama lika-Davide, ahlala pântsi.

10 U-Nabali wabapêndula abakônzi baka-Davide, watî, Ngubanina yena u-Davide? ngubanina unyana ka-Isayi? Azi namhla baninzi abakônzi abareqayo, elowo enkosini yakê.

11 Ndingatî-nina ukutâbatâ isonka sam namanzi am nento yam exêliweyo endiyixêlele abacêbi bam, ndiyinike amadoda endingawaziyo nokuba avela pîna?

12 Ajika-ke amadodana akwa-Davide, ahambâ ngendlela yawo, abuya eza amxelela ngokwalomazwi onke.

13 Watî u-Davide kumadoda akê, Nxibani elowo irele lakê. Banxiba-ke elowo irele lakê. Walinxiba no-Davide irele lakê. Kwenyuka u-Davide elandelwa ngamadoda akumakûlu amane; kwahlala amakûlu amabini nempahla.

14 Kekaloku u-Abigali umka-Nabali waxelelwa yindodana etîle kumadodana akê, isitî, Yabona, u-Davide ususe abatûnywa entlango, ukuba beze kusikelela inkosi yetû; yesuka yabadlakavula.

15 Kanti amadoda lawo ebelungile kunene kutî, akasonanga, asilahlekelwanga nto ngemihla yonke ebesihambâ nawo, oko besisezindle;

16 Aba ludonga kutî nasebusuku nasemini, yonke imihla ebesinawo, sisalûsa impahl' emfutshane.

17 Yazi ngoko, uyibone into oyenzayo; ngokuba kugqitywe kwelobubi ngakwinkosi yetû, nangakwindlu yayo yonke; ilitshijolo, akusenakutêtwa nayo.

18 Wakâuleza-ke u-Abigali, watâbatâ amakûlu amabini ezonka, nentsuba zambîni ze-wayini, negusha zantlanu sezihlinziwe, ne-seya zantlanu zamakweba, zalikûlu izicumbâ ze-rasintyisi, zamakûlu mabini izicumbâ zamakîwane, wazibeka ema-esileni.

19 Watî kumadodana akwakê, gqitêlani pâmbî kwam, niyabona, ndiyanilandela. Akayixelela indoda yakê u-Nabali.

20 Kwatî, ekwele e-esileni, esihla esitêni lentaba, nabo o-Davide namadoda akê besihla, bemkâulela; waqubisana nabo.

21 Kekaloku u-Davide ebetê, Ndifumane ndazixokisa ngokwam, ndazigcina zonke izinto zalô entlango, akwalahleka nto entweni yonke eyeyakê; wandibuyisela ububi esikûndleni sokulungileyo.

22 U-Tîxo makenje-nje kwintshaba zika-Davide, aqokele ukwenje-nje, ukuba kude kwasa ngomso ndisalise kubo bonke anabo into eyindoda.

23 U-Abigali wambona u-Davide, wanxâma, wehla e-esileni, wawa ngobuso pâmbî ko-Davide, waqubuda emhlabeni,

24 Wawa-ke ezinyaweni zakê, watî, Mabube kum, kum lô, nkosi yam, ubugwenxa obu; makê atêtê umkônzazana wakô

Digitized by Google

ezindlebeni zakô, uwapûlapûle amazwi omkônzazana wakô.

25 Inkosi yam mayingakê ikâtâle ngulomntu ulitshijolo u-Nabali; ngokuba njengoko linjalo igama lakê unjalo yena; ngu-Nabali igama lakê, unobudenge; ke mna mkônzazana wakô andiwabonanga amadodana enkosi yam, owawatûmayo.

26 Ngoko, nkosi yam, ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje umpêfumlo wakô, inene, u-Yehova ukunqandile ukuba ungapâlaz' igazi, ungazisindisi ngesandla sakô; ngoko mazibe njengo-Nabali intshaba zakô, nabayifunela ububi inkosi yam.

27 Ngoko lentsikelelo, ayizisileyo umkônzazana wakô enkosini yam, mayinikwe amadodana alandela inkosi yam.

28 Kâumxolele umkônzazana wakô ureqo lwakê; ngokuba u-Yehova uya kuyenzela inene inkosi yam indlu eqinileyo; ngokuba inkosi yam ilwa imfazwe zika-Yehova, ububi abuyi kufunyanwa kuwe imihla yakô yonke.

29 Xa kutê kwesuka umntu, wakusukela, wawufuna umpêfumlo wakô: wobotshwa umpêfumlo wenkosi yam esiqûmeni sabapîlileyo ku-Yehova u-Tîxo wakô; ke wona umpêfumlo wentshaba zakô wowusaula entendeni yenkwitshi.

30 Kutî, xa u-Yehova atê wenza kwinkosi yam njengako konke okulungileyo, akutêtileyo ngawe, wakumisa wayingânga yama-Sirayeli;

31 Oko kungabi siwiso kuwe nesikûbekiso sentliziyo yenkosi yam, nokupâlaz' igazi elimsulwa, nokuzisindisa kwenkosi yam; ukuba utê u-Yehova wenza okulungileyo enkosini yam, womkûmbûla umkônzazana wakô.

32 Watî-ke u-Davide ku-Abigali, Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, okutûmileyo namhla, wandikâuleia;

33 Mayibongwe imvo yakô, ubongwe wena, ondaleleyo namhla ukuba ndipâlaz'igazi, ndizisindise ngesandla sam.

34 Noko-ke ehleli-nje u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, onditînteleyo andenza nto imbî, ukuba ubunganxâmanga uze kundikâulela: inene, ngekungadanga kuse ngomso kusasele kwa-Nabali into eyindoda.

35 U-Davide wakwamkela esandleni sakê oko akuzisileyo kuye; watî kuye, Nyuka unoxolo, uye endlwini yakô; uyabona, ndilipûlapûle izwi lakô, ndakunonelela.

36 Waya-ke u-Abigali ku-Nabali, nanko enesidlo endlwini yakê njengesidlo sokumkani; intliziyo ka-Nabali imnandi, enxila kunene. Akamxelela nto, nokuba yencinane nokuba yenkulu, kwada kwasa ngengomso.

37 Kwatî ngengomso, ukupûma kwewayini ku-Nabali, umkakê wamxelela lomazwi; yafa intliziyo yakê pâkatî kwakê, yaba lilitye.

38 Kwatî, zakuba seshumini intsuku, u-Yehova wambetâ u-Nabali; wafa.

39 Weva u-Davide ukuba u-Nabali ufile, watî, Makabongwe u-Yehova okutêteleleyo ukungcikivwa kwam, *wandikûlula* esandleni sika-Nabali, wamnqanda umkônzi wakê ebubini, u-Yehova wabubuyisela ububi buka-Nabali entloko yakê. Watûmela u-Davide, watêtâ ku-Abigali ukuba amzeke, abe ngumkakê.

40 Baya abakônzi baka-Davide ku-Abigali e-Karmele, batêtâ kuye, besitî, U-Davide usitûme kuwe ukuba akuzeke, ube ngumkakê.

41 Wesuka, waqubuda ngobuso emhlabeni, watî, Nanku umkônzazana wakô wokuba likôbokazana lokuhlambâ inyawo zabakônzi benkosi yam.

42 Wanxâma-ke u-Abigali, wesuka, wakwela e-esileni, elandelwa sihlanu somtînjana, wabalandela abatûnywa baka-Davide, waba ngumkakê.

43 U-Davide wabezeke no-Ahinowam wase-Yizereli; baba ngabafazi bakê bobabini nabo.

44 Ke u-Saule wayetê u-Mikali intombî yakê, umka-Davide, wamnika u-Faliti unyana ka-Layishe wase-Galim.

26 Beza abase-Zifi ku-Saule e-Gibeha, batî, U-Davide akazifihle endulini ye-Hakila ekângelene nenkangala yinina?

2 Wesuka u-Saule, wehla waya entlango ye-Zifi, enamadoda angamawaka amatâtû ahleliweyo akwa-Sirayeli, eya kufuna u-Davide entlango ye-Zifi.

3 U-Saule wamisa endulini ye-Hakila ekângelene nenkangala ngasendleleni. Ke u-Davide wayehleli entlango; wabona ukuba u-Saule uyamlandela entlango,

4 U-Davide wasusa intlola, wazi ngazo ukuba u-Saule uzile okunene.

5 Wesuka u-Davide, waya kulondawo ebemise kuyo u-Saule; wayibona u-Davi-

Digitized by Google

de indawo alele kuyo u-Saule no-Abinere unyana ka-Nere, umtêtêli womkôsi wakê. U-Saule elele ngapâkatî kotângo lwenqwelo zokulwa, abantu bemise in-tente ngenxa zonke kuye.

6 Wapêndula u-Davide, watî ku-Ahimeleki um-Heti, naku-Abishayi unyana ka-Tseruya, umzalwana ka-Yowabi, Ngubanina oya kuhla nam aye ku-Saule empinî? Watî u-Abishayi, Mna ndohla nawe.

7 Waya u-Davide no-Abishayi ebantwini ebusuku. Nanko u-Saule elele ubutôngo ngapâkatî kotângo lwenqwelo zokulwa, igxunyekiwe intshuntshe yakê emhlabeni ngasentloko yakê. Ke u-Abinere nabantu bakê belele ngenxa zonke kuye.

8 Watî u-Abishayi ku-Davide, U-Tîxo ulunikele namhla utshaba lwakô esandleni sakô; kaloku makê ndimqâme nomhlaba ngentshuntshe ngasihlandlo sinye, ndingenzi zibe zibini kuye.

9 Watî u-Davide ku-Abishayi, Mus'ukumbulala; ngokuba ngubanina ongasa isandla kumtânjiswa ka-Yehova, aze abe msulwa?

10 Watî u-Davide, Ehleli-nje u-Yehova, ukuba akatânga u-Yehova ambulale, mhlaumbî kwafika imini yakê wafa, mhlaumbî wehla waya emfazweni wapêtshetwa:

11 Makube lê kum ngenxa ka-Yehova ukukê ndise isandla sam kumtânjiswa ka-Yehova. Kâutâbatê kaloku intshuntshe engasentloko yakê, neselwa lamanzi, sihambê.

12 Wayitâbatâ-ke u-Davide intshuntshe, neselwa lamanzi, engasentloko ka-Saule, bemka; kungaboni mntu, kungazi mntu, kungavukanga mntu; ngokuba bonke bebelele: kuba bebewelwe butôngo obukûlu buka-Yehova.

13 Wawela u-Davide, waya pêsheya, wema encotsheni yentaba kude, lilikûlu itûba pâkatî kwabo;

14 Wamemeza u-Davide ebantwini naku-Abinere unyana ka-Nere, esitî, Akupênduli-na, Abinere? Wapêndula u-Abinere, watî, Ungubanina wena umemezayo kukumkani?

15 Watî u-Davide ku-Abinere, Akuyindoda yinina? ngubanina onjengawe kwa-Sirayeli? yinina-ke ukuba ungayigcini inkosi yakô ukumkani? Ngokuba kufike ubani wasebantwini, eza konakalisa ukumkani inkosi yakô.

16 Asinto ilungileyo le uyenzileyo. Ehleli-nje u-Yehova, ningonyana bokufa, ningayigcinanga-nje inkosi yenu, umtânjiswa ka-Yehova. Kângela kaloku, ipîna intshuntshe yokumkani, neselwa lamanzi ebelingasentloko yakê?

17 Walazi u-Saule izwi lika-Davide, watî, Lizwi lakô-na elo, nyana wam Davide? Watî u-Davide, Lizwi lam, nkosi yam kumkani.

18 Watî, Yinina lento inkosi yam imsukelayo umkônzi wayo? kuba ndenze ntonina? bubi bunina obusesandleni sam?

19 Ngoko inkosi yam ukumkani mayikê iwapûlapûle amazwi omkônzi wayo. Ukuba ngu-Yehova okuxôkonxileyo ngakum, makasezele umnikelo wokudla; ukuba ngonyana babantu, mabaqalekiswe pâmbî ko-Yehova; ngokuba bandigxotîle namhla, ukuba ndingahlangani nelifa lika-Yehova, batî, Hambâ ukônze tîxo bambî.

20 Ngoko malingapâlali igazi lam emhlabeni, ndikude nobuso buka-Yehova; ngokuba kupûme ukumkani wama-Sirayeli, weza kufuna intakumbâ embâla, njengosukela isikwâtsha ezintabeni.

21 Watî u-Saule, Ndonile, buya, nyana wam Davide; ngokuba andisayi kuba sakwenza nto imbî, ngendawo yokuba umpêfumlo wam ubunqabile emehlweni akô namhla; uyabona ndenze ngobudenge, ndalahleka ngokukûlukazi.

22 Wapêndula u-Davide, watî, Nantsi intshuntshe yokumkani! makuwele enye indodana iyitâbatê.

23 U-Yehova uya kuyibuyisela ubulungisa bayo nokutêmbêka kwayo indoda, abekunikele esandleni sayo u-Yehova namhla; andivumanga ukusa isandla sam kumtânjiswa ka-Yehova.

24 Yabona, njengoko waba mkûlu umpêfumlo wakô emehlweni am namhla, ngokunjalo umpêfumlo wam uya kuba mkûlu emehlweni ka-Yehova, andihlangule ekubandezelweni kwam konke.

25 Watî u-Saule ku-Davide, Usikelelwe, nyana wam Davide; uya kwenza weyise; kananjalo uya kufeza kufezeke. Wahambâ-ke u-Davide indlela yakê; u-Saule wabuyela endaweni yakê.

27 U-Davide watî entliziyweni yakê, Kaloku ndoza ndipêtshetwe ngenye imini, ndisiwe esandleni sika-Saule; akukô nto indilungeleyo, ke mandizisindi-

Digitized by Google

se ndizisindisele ezweni lama-Filisti, andincame u-Saule, angabi sandifuna emideni yonke yama-Sirayeli, ndisinde-ke esandleni sakê.

2 Wesuka-ke u-Davide, wawela yena namadoda angamakûlu amatândatû abe nawo, waya ku-Akishe unyana ka-Mahoki, ukumkani wase-Gati.

3 U-Davide wahlala no-Akishe e-Gati, yena namadoda akê, yayileyo yanendlu yayo; u-Davide enabafazi bakê bobabini u-Ahinowam wase-Yizereli, no-Abigali wase-Karmele umka-Nabali.

4 Waxelelwa u-Saule ukuba u-Davide ubalekele e-Gati; akabi sapînda amfune.

5 Watî u-Davide ku-Akishe, Ukuba-ke ngoku undibabale, ndinike indawo komnye umzi wasezweni, ndihlale kôna; yinina ukuba umkônzi wakô ahlale ndawo-nye nawe emzini wakomkûlu.

6 U-Akishi wamnika ngalomini i-Tsikelage. Ngako oko i-Tsikelage yaba yeyokumkani wakwa-Yuda unanamhla.

7 Inani lemihla, awahlala ngayo u-Davide ezweni lama-Filisti, laba ngumnyaka onenyanga ezine.

8 Kekaloku wenyuka u-Davide namadoda akê, bawangenela ama-Geshuri, nama-Gezere nama-Amaleki; ngokuba abo bebe ngabemi belizwe-elo, bekuhanjwa kulo ukuyiwa e-Shure, kuyiwe nasezweni lase-Yiputa kususela kwakudala.

9 U-Davide walitshabalalisa elozwe; akasindisa ndoda namfazi. Watâbatâ impahl' emfutshane, nenkomo, nama-esile, nen-kamela, nengubo, wabuya weza ku-Akishe.

10 Watî u-Akishe, Kê nahlasela pîna namhla-nje? Watî u-Davide, Besingenele elase-Zantsi lakwa-Yuda, nelase-Zantsi lama-Yerameli, nelase-Zantsi lama-Keni.

11 U-Davide akasindisanga ndoda namfazi, ungamsayo e-Gati, ngokutî, Hleze basixele, batî, Wenje-nje u-Davide. Lalinjalo-ke isiko lakô yonke imihla abehleli ezweni lama-Filisti.

12 U-Akishe wakôlwa ngu-Davide, watî, Ugqibile ukuzinukisa ebantwini bakowabo kwa-Sirayeli; woba ngumkônzi wam-ke ngonapâkade.

28 Kwatî ngalomihla, ama-Filisti ayihlanganisa yonke imikôsi yawo, ukuze apûme umkôsi, aye kulwa nama-Sirayeli. Watî u-Akishe ku-Davide, Yazi ngokuqinisekileyo ukuba uya kupûma nomkôsi wam, wena namadoda akô.

2 Watî u-Davide ku-Akishe, Kaloku uya kuyazi into eyakwenziwa ngumkônzi wakô. Watî u-Akishe ku-Davide, Ngoko-ke ndokumisa ube ngumgcini wentloko yam imihla yonke.

3 Kekaloku u-Samuweli ube selefile; abemmbâmbâzelele onke ama-Sirayeli; abemncwâbele e-Rama emzini wakê. U-Saule ebebagxotîle ezweni abaneshologu nosiyazi.

4 Ahlanganisana-ke ama-Filisti, aya amisa e-Shunem. Wawahlanganisa u-Saule ama-Sirayeli yonke, amisa e-Gilibowa.

5 Wayibona u-Saule impi yama-Filisti, woyika; yagubâ intliziyo yakê kunene.

6 Wabuza u-Saule ku-Yehova; u-Yehova akampêndula nangamapûpâ, nange-Urim, nangaba-profeti.

7 Watî u-Saule kubakônzi bakê, Ndifuneleni inkazana eneshologu, ndiye kuyo, ndibuze kuyo. Batî kuye abakônzi bakê, Nantsiya inkazana eneshologu e-En-dore.

8 U-Saule wazenza mntu wumbî, wambâtâ ngubo zimbî, waya enamadoda amabini. Baya bafika kwinkazana-leyo ebusuku. Watî, Kâundivumisele ngeshologu lakô, undinyusele lowo ndiya kutêtâ yena kuwe.

9 Yatî inkazana-leyo kuye, Yabona, uya kwazi nawe akwenzileyo u-Saule, ukuba ubanqamle ezweni abaneshologu nosiyazi; yinina ukuba uwutîyele umpêfumlo wam, ukuze ndibulawe.

10 U-Saule wayifungela u-Yehova, esitî, Ehleli-nje u-Yehova, inene, akuyi kuba natyala ngalendawo.

11 Yatî inkazana, Ndikunyusele banina? Watî, Ndinyusele u-Samuweli.

12 Yambona inkazana u-Samuweli, yakâla ngezwi elikûlu. Yatsho inkazana-leyo ku-Saule, ukutî, Yinina ukuba undikôhlise? ungu-Saule wena.

13 Watî ukumkani kuyo, Mus'ukoyika. Ubone nto-nina? Yatî inkazana ku-Saule, Ndibona umnyanya unyuka upûma emhlabeni.

14 Watî kuye, Unjanina ukumila kwawo? Yatî inkazana, Kunyuke indoda enkulu itê-wambû ingubo yokwaleka. Wazi-ke u-Saule ukuba ngu-Samuweli-lowo. Watôba ngobuso emhlabeni, waqubuda.

Digitized by Google

15 Watî u-Samuweli ku-Saule, Yinina ukuba undigungqise, undinyuse? Watî u-Saule, Ndibandezelekile kakûlu; ama-Filisti alwa nam, u-Tixo umkile kum, akasandipênduli nangaba-profeti nangamapûpâ; ndikubizele ukuba undazise into endingayenzayo.

16 Watî u-Samuweli, Yinina ukuba undibuze, u-Yehova emkile-nje kuwe, waba lutshaba lwakô?

17 U-Yehova uzenzele njengoko wakutêtâyo ngam: u-Yehova uburazule esandleni sakô ubukumkani, wabunika uwenu u-Davide.

18 Ngokokuba ungalipûlapûlanga izwi lika-Yehova, ungenzanga njengokuvutâ komsindo wakê kuma-Amaleki; ngenxa yoko u-Yehova uyenzile lento kuwe namhla.

19 Wawanikela u-Yehova nama-Sirayeli kunye nawe esandleni sama-Filisti. Ngomso wena nonyana bakô niya kuba nam; nomkôsi wama-Sirayeli u-Yehova uya kuwunikela esandleni sama-Filisti.

20 Wawa kwa oko u-Saule emhlabeni waqungquluza, woyika kunene ngamazwi ka-Samuweli; akwabikô namandla kuye; ngokuba ubengadlanga kudla imini yonke nobusuku bonke.

21 Yeza inkazana-leyo ku-Saule, yabona ukuba ukûanqe kunene, yatî kuye, Yabona, ikôbokazana lakô lilipûlapûle izwi lakô, ndawenza isicênge umpêfumlo wam, ndaweva amazwi akô owatêtâyo kum.

22 Kâulipûlapûle nawe ngoko izwi lekôbokazana lakô: makê ndibeke iqêkeza lesonka pâmbî kwakô, udle, ube namandla xa uhambâ indlela.

23 Akavuma-ke; watî, Andiyi kudla. Bamzama abakônzi bakê kwa nenkazana-leyo. Walipûlapûla izwi labo, wavuka-ke emhlabeni, wahlala elukûkweni.

24 Kekaloku inkazana-leyo yayinetôle elityetyisiweyo endlwini; yanxâma, yalixêla; yatâbatâ umgubo onengiweyo, yawuxovula, yosa izonka ezinge nagwele ngawo.

25 Yabeka pambi ko-Saule napâmbî kwabakônzi bakê; badla, besuka-ke, bahamba ngobobusuku.

29 Ayihlanganisa-ke ama-Filisti yonke imikôsi yawo e-Afeki. Ama-Sirayeli amisa ngasemtônjeni ose-Yizereli.

2 Izikûlu zama-Filisti zadlula zinamakûlu zinamawaka; u-Davide namadoda akê bedlula ngasemva no-Akishe.

3 Batî abatêtêli bama-Filisti, Ayinina lama-Hebere apâ? Watî u-Akishe kubatêtêli bama-Filisti, Lo asinguye-na u-Davide umkônzi ka-Saule, ukumkani wama-Sirayeli, oselenemini neminyaka enam? andifumananga mposiso kuye, kutâbatêla kumhla awapâmbâ ngawo, kwezisa kulemini.

4 Abatêtêli bama-Filisti baba nobufalafume ngakuye, batî kuye abatêtêli bama-Filisti, Yibuyise londoda, ibuyele endaweni yayo, apô wayiyalela kôna, ingehli natî iye ekulweni, hleze isicâse ekulweni. Angazikôlisisa nganto-nina lo enkosini yakê? akungentloko zalamadoda yinina?

5 Lo asinguye-na u-Davide, ababevuma ngaye ekungqungqeni besitî,

U-Saule ubulele amawaka akê,
U-Davide *ubulele* amawaka akê angamashumi?

6 U-Akishe wambiza u-Davide, watî kuye, Ehleli-nje u-Yehova, utê-tye wena; kuhle emehlweni am ukupûma kwakô nokungena kwakô nam emkôsini; ngokuba andifumananga bubi kuwe, kutâbatêla kumhla wokuza kwakô kum, kuzise kulemini; ke emehlweni ezikûlu akumhle.

7 Kengoko buya, uhambê unoxolo, ungenzi bubi emehlweni ezikûlu zama-Filisti.

8 Watî u-Davide ku-Akishe, Ndenze nto-nina? ufumene nto-nina kumkônzi wakô, kutâbatêla kumhla wokubakô kwam pâmbî kwakô, kuzise kulemini, ukuba ndingayi-nje, ndilwe nentshaba zenkosi yam ukumkani?

9 Wapêndula u-Akishe watî ku-Davide, Ndiyazi ukuba ulungile emehlweni am njengesitûnywa sika-Tixo, kodwa abatêtêli bama-Filisti batê, Makangenyuki natî, aye ekulweni.

10 Ngoku vuka kusasa ngomso, nabakônzi benkosi yakô abaze nawe; nivuke kusasa-ke ngomso, kwakusatî-nwe, nihambê.

11 Bavuka-ke kusasa u-Davide, yena namadoda akê, bahambâ kwakusasa, babuyela ezweni lama-Filisti. Ama-Filisti enyuka-ke, aya e-Yizereli.

30 Kwatî, akufika u-Davide namadoda akê e-Tsikelage ngomhla wesitâtû, akubon' ukuba ama-Amaleki alingenele

Digitized by Google

elase-Zantsi ne-Tsikelage, ayibetâ i-Tsikelage, ayitshisa ngomlilo;

2 Abatîmbâ abafazi ababe kôna, kodwa akabulala mntu, ukutâbatêla komncinane ase komkûlu; aqûba ahambâ ngendlela yawo.

3 Akufika-ke u-Davide namadoda akê ekâya, nalo litshisiwe ngomlilo, betînjiwe abafazi babo, nonyana babo, nentombî zabo,

4 Balipâkamisa o-Davide nabantu ababe naye ilizwi labo, balila, kwada akwabikô mandla kubo okulila.

5 Nabafazi baka-Davide bobabini babetînjiwe, u-Ahinowam wase-Yizereli, no-Abigali umka-Nabali wase-Karmele.

6 Wabandezeleka kunene u-Davide; ngokuba abantu bebetêtâ ngokumxuluba ngamatye; kuba umpêfumlo wabantu bonke ubuřaŕa, elowo ngenxa yonyana bakê nangenxa yentombî zakê. Ke u-Davide wazomelezela ku-Yehova u-Tîxo wakê.

7 Watî u-Davide ku-Abiyatare umenzeleleli, unyana ka-Ahimeleki, Kâuzise iefodi kum. U-Abiyatare wayizisa i-efodi ku-Davide.

8 Wabuza u-Davide ku-Yehova, esitî, Ndiwasukele na lamatutu, ndowafumanana? Watî kuye, Sukela; ngokuba uya kuwafumana okunene, uya kuhlangula konke.

9 Wahambâ-ke u-Davide, yena namadoda angamakûlu amatândatû anawo. Bafika emlanjaneni oyi-Besore, amanye asala kôna.

10 Wasukela u-Davide, yena namakûlu amane amadoda; asala-ke amakûlu amabini amadoda apêlelweyo angenakuwela emlanjaneni oyi-Besore.

11 Kekaloku bafumana indoda engum-Yiputa isendle, bayizisa ku-Davide, bayinika isonka; yadla; bayiseza amanzi;

12 Bayinika-ke icandelo lesicumbâ samakîwane namacandelo amabini esicumbâ se-rasintyisi, yadla; wabuyela kuyo umoya wayo; kuba ibingadlanga kudla, ingaselanga manzi imini ezintatû nobusuku obutâtû.

13 Watî u-Davide kuyo, Ungumni-na? uvela pîna? Yatî, Ndingumfana ongum-Yiputa, umkônzi wendoda engum-Amaleki; indishiyile inkosi yam; kuba ndintsuku ntatû namhla ndisifa.

14 Besitê sangenela elase-Zantsi lama-Kreti nelakwa-Yuda, nelase-Zantsi lakwa-Kalebi, sayitshisa i-Tsikelage ngomlilo.

15 Watî u-Davide kuyo, Ungandisa-na kulomatutu? Yatî, Ndifungele u-Tîxo, ukuba akuyi kundibulala, akuyi kundinikela esandleni senkosi yam, ndokusa kulomatutu.

16 Yamsa-ke. Nango ezitê-dwe pêzu kwelizwe lonke, esidla, esela, eduda ngenxa yalo lonke ixôba elikûlu, abelitîmbile ezweni lama-Filisti, nasezweni lakwa-Yuda.

17 U-Davide wawabulala, eqale ngocoloti kwada kwahlwa ngomhla olandelayo; akwasinda namnye kubo, yaba ngamakûlu amane amadodana odwa, abekŵele ezinkameleni, asaba.

18 Wayihlangula u-Davide yonke into abeyitîmbîle ama-Amaleki; nabafazi bake bobabini wabahlangula u-Davide;

19 Akwasala nanye into kuzo, kutâbatêla kwencinane kwesa kwenkulu, kwesa konyana nentombî; kwatâbatêla kwixôba kwesa kwinto yonke abeyitîmbîle kubo. Yonke into wayibuyisa u-Davide.

20 Wayitîmbâ yonke impahl' emfutshane nenkomo; baqûba pâmbî kwalomfuyo yakê; batî, Lixôba lika-Davide eli.

21 Wafika-ke u-Davide kulamadoda angamakûlu mabini abepêlelwe, abenge nakumlandela u-Davide, awayewashiye emlanjaneni oyi-Besore. Apûma aya kumkâulela u-Davide, aya kubakâulela abantu ababe naye. U-Davide wafika ebantwini, wababuza ukupîla kwabo.

22 Apêndula onke amadoda obubi namatshijolo akumadoda abehambê no-Davide, atî, Ngenx' enokuba bengahambânga natî, asiyi kubanika nto emaxôbeni esiwahlanguleyo; elowo makaqûbe umkakê, nabantwana bakê, ahambê.

23 Watî u-Davide, Ningenje-njalo, bazalwana bam, ngento asinikileyo u-Yehova, wasigcina, wayinikela esandleni setû impi leyo ibisifikele.

24 Ngubanina oya kuniva kwelilizwi? Njengoko sinjalo isabelo sohla aye ekulweni, sinjalo isabelo sosele nempahla; baya kwabelana ngakunye.

25 Kwaba njalo, kutâbatêla kulomini kunyuse, wakumisa kwangummiselo nesiko kwa-Sirayeli unanamhla.

26 Weza u-Davide e-Tsikelage, watûmela inxenye yamaxôba kumadoda amakûlu

Digitized by Google

akwa-Yuda, kumakowabo, esitî, Nantso intsikelelo yenu emaxôbeni entshaba zika-Yehova;

27 Kwawase-Beteli, nakwawase-Ramoti ese-Zantsi, nakwawase-Yatire,

28 Nakwawase-Arohere, nakwawase-Sifimoti, nakwawase-Eshtemowa,

29 Nakwawase-Rakali, nakwawasemizini yama-Yerameli, nakwawasemizini yama-Keni,

30 Nakwawase-Horma, nakwawase-Korashan, nakwase-Ataki,

31 Nakwawase-Hebron, nasezindaweni zonke apô u-Davide abehambâhambâ kôna, yena namadoda akê.

31 Ama-Filisti-ke ayesilwa nama-Sirayeli; asaba amadoda akwa-Sirayeli pâmbî kwama-Filisti, awa anxwelefiweyo ezintabeni ze-Gilibowa.

2 Ama-Filisti atâna-mbênde no-Saule nonyana bakê; ama-Filisti ambulala u-Yonatan, no-Abinadabi, no-Malekishuwa, onyana baka-Saule.

3 Kwaba nzima ukulwa ku-Saule; bamfumana abatoli, amadoda anesapetâ, watûtûmela kakûlu ngenxa yabatoli.

4 Watî u-Saule kumpâtî wentonga zakê, R'ola irele lakô, undihlabe ngalo, hleze aba bangalukileyo beze bandihlabe amahlanza, bafeketê ngam. Ke umpâtî wentonga zakê akavumanga; ngokuba ebesoyika kunene. Walitâbatâ-ke u-Saule irele, wawa pêzu kwalo.

5 Wabona umpâtî wentonga zakê, ukuba ufile u-Saule, wawa naye pêzu kwerele lakê, wafa kunye naye.

6 Wafa-ke u-Saule, nonyana bake bobatâtû, nompâtî wentonga zakê, namadoda akê onke ngalomini, ndaweni-nye.

7 Abona amadoda akwa-Sirayeli, abengapêsheya kwentili, nabengapêsheya kwe-Yordan, ukuba asabile amadoda akwa-Sirayeli, ufile u-Saule nonyana bakê, ayishiya imizi-leyo, asaba; eza ama-Filisti, ahlala kuyo.

8 Kwatî ngengomso ama-Filisti eza kubûnyula ababebulewe. Amfumana u-Saule nonyana bake bobatâtû bewile ezintabeni ze-Gilibowa.

9 Amnqumla intloko, azipânga intonga zakê, atûmela elizweni lama-Filisti ngenxa zonke, ukuba kushunyayelwe indaba ezilungileyo ezindlwini zezitîxo zawo nasebantwini,

10 Azibeka intonga zakê ezindlwini zo-Ashtaroti; awubetêla umzimbâ wakê eludongeni lwase-Bete-shan.

11 Beva abemi base-Yabeshe yase-Giliyadi akwenzileyo ama-Filisti ku-Saule,

12 Esuka onke amadoda anobuřotî, ahambâ ubusuku bonke, awutâbatâ umzimbâ ka-Saule nemizimbâ yonyana bakê eludongeni lwase-Bete-shan, eza e-Yabeshe, ayitshisa kôna.

13 Awatâbatâ amatâmbô abo, awancwaba pântsi kom-tamariske e-Yabeshe; azila ukudla intsuku zasixênxe.

INCWADI YESIBINI KA-SAMUWELI.

ISIQENDU I.

KWATI emva kokufa kuka-Saule, u-Davide ebuyile ekuwâbulaleni ama-Amaleki, wahlala u-Davide e-Tsikelage iinihla emibini;

2 Kwatî-ke ngomhla wesitâtû, kwabonakala kuvela indoda emkôsini, ku-Saule, zirazukile ingubo zayo, inomhlaba entloko; kwatî, ekuzeni kwayo ku-Davide, yawa emhlabeni, yaqubuda.

3 Watî u-Davide kuyo, Uvela pina? Yatî kuye, Ndisabe emkôsini wama-Sirayeli.

4 Watî u-Davide uyo, Kutê-ke-nina? kâundixelele. Yatî, Hayi, babalekile abantu ekulweni; kananjalo kuwe into eninzi yabantu, yafa; kananjalo u-Saule no-Yonatan unyana wakê babulewe.

5 Watî u-Davide kwindodana ebimxelela, Wazi nganina, ukuba u-Saule ufile, no-Yonatan unyana wakê?

6 Yatî indodana ebimxelela, Kutê ukuti-

Digitized by Google

gaxa kwam ndafika ezintąbeni zase-Gilibowa; nanku u-Saule ayame ngentshuntshe yakê; nabo abenqwelo zokulwa nabamahashe betêne-mbênde naye;

7 Utê akubêka, wandibona, wandibiza; ndatî, Sendikô.

8 Watî kum, Ungubanina? Ndatî kuye, Ndingum-Amaleki.

9 Watî kum, Kâume pêzu kwam, undibulale, ngokuba ndipêlelwe; kuba andikafi kanye.

10 Ndema pêzu kwakê, ndambulala; ngokuba bendisazi, ukuba akayi kuba sapîla emva kokuwa kwakê. Ndatâbatâ isitsaba obesisentloko yakê; nesacôlo ebesisengalweni yakê; ndizise zona apa kwinkosi yam.

11 Wazibamba u-Davide ingubo zakê, waziřazula, kwa namadoda akê onke abe nawo;

12 Bammbâmbâzelela, balila, bakuzila ukudla kwada kwahlwa, ngenxa ka-Saule, nangenxa ka-Yonatan unyana wakê, nangenxa yabantu baka-Yehova, nangenxa yendlu ka-Sirayeli; ngokuba bewile ngeřele.

13 Watî u-Davide kwindodana ebimxelela, Ungowa-pîna? Yatî, Ndingunyana wendoda engumhambi um-Amaleki.

14 Watî u-Davide kuyo, Utê-ni ukuba ungoyiki ukusa isandla sakô, umbulale umtânjiswa ka Yehova?

15 U-Davide wabiza enye yakumadodana, watî, Sondela, uyibulale. Yayixabela-ke, yafa.

16 Watî-ke u-Davide kuyo, Igazi lakô malibe sentloko yakô; ngokuba umlomo wakô ulinqîna ngawe, usitî, Mna ndimbulele umtânjiswa ka-Yehova.

17 Kekaloku u-Davide wasenza esisimbônono ngo-Saule nango-Yonatan unyana wakê,

18 Watî mabayifundiswe onyana baka-Yuda *ingoma-leyo* yesapêta; nantso ibâliwe encwadini yotê-Tye.

19 Imbâlafa, Sirayeli, ibulewe emimangweni yakô!
Hayi ukuwa kwamagořa!

20 Musan' ukuxela e-Gati;
Musan' ukwenza zindaba ezi-trateni ze-Ashkelon,
Hleze zivuye intombî zama-Filisti,
Hleze zivuyelele intombî zabangalukileyo.

21 Nina zintaba zase-Gilibowa,
Makungaze kubekô mbetê, makungaze kubekô mvula kuni, namasimi emiřumo;
Ngokuba kôna kwancôla ingweletshetshe zamagořa,
Ingweletshetshe ka-Saule, ingatânjiswanga nge-oli.

22 Egazini labahlatyiweyo, emanqatêni amagořa
Isapêta sika-Yonatan besingabuyi umva,
Irele lika-Saule belingabuyi lilambâtâ.

23 U-Saule no-Yonatan bebetândeka, bebe mnandi ekudleni kwabo ubomi,
Nasekufeni kwabo abahlukananga.
Babe namendu ngapêzu kwamaxâlanga,
Babenamandla ngapêzu kwengonyama.

24 Zintombî zakwa-Sirayeli, mlileleni u-Saule,
Obenambêsa ingubo ezibomvu eniyolisa,
Obeninxiba izihombô ze-golide ezambâtwêni zenu.

25 Hayi ukuwa kwamagořa pâkatî kwemfazwe!
U-Yonatan ubulalelwe emimangweni yakô.

26 Ndibandezelekile ngenxa yakô, mzalwana wam Yonatan;
Ubumnandi kakûlu kum;
Kubalulekile ukunditânda kwakô
Ngapêzu kokutânda komntu oyinkazana.

27 Hayi ukuwa kwamagořa,
Adakile amadoda okulwa!

2 Kwatî emveni koko, wabuza u-Davide ku-Yehova, esitî, Ndinyuke-na ndiye emzini wakwa-Yuda? Watî u-Yehova kuye, Nyuka. Watî u-Davide, Ndinyuke ndiyê pîna? Watî yena, E-Hebron.

2 Wenyuka-ke waya kôna u-Davide, nabafazi bakê bobabini, u-Ahinowam wase-Yizereli, no-Abigali umka-Nabali wase-Karmele.

3 Namadoda akê abe nawo wawanyusa u-Davide, yayileyo nendlu yayo, ahlala emizini yase-Hebron.

4 Eza amadoda akwa-Yuda, amtâmbisa kôna apô u-Davide ukuba abe ngukumkani kwindlu yakwa-Yuda.

Digitized by Google

Kwaxelwa ku-Davide, kusitíwa, Amadoda ase-Yabeshe yase-Giliyadi ngawo awamncẘabayo u-Saule.
5 U-Davide watůmela-ke abatůnywa kumadoda ase-Yabeshe yase-Giliyadi, watí kuwo, Manisikelelwe ngu-Yehova nina, nayenzelayo inkosi yenu u-Saule lonceba, nayincẘaba.
6 Ngoko u-Yehova makanenzele inceba nenyaniso; nam ndiya kunenzela oko kulungileyo, ngokuba nayenzayo lonto.
7 Kekaloku mazomelele izandla zenu, nibe ngamadoda anobuṙoti; ngokuba ifile inkosi yenu u-Saule; kananjalo inditåmbísile indlu yakwa-Yuda ukuba ndibe ngukumkani wayo.

8 Kekaloku u-Abinere unyana ka-Nere, umtětěli womkôsi obungoka-Saule, ebetåbatě u-Ishboshete unyana ka-Saule, wamwezela e-Mahanayim,
9 Wamenza ukumkani e-Giliyadi, nakuma-Asuri, nase-Yizereli, nakwa-Efrayim, nakwa-Benyamin, nakuma-Sirayeli onke.
10 U-Ishboshete unyana ka-Saule ebe minyaka imashumi mane ezelwe, ekwenziweni kwakě ukumkani kuma-Sirayeli, wangukůmkani iminyaka emibini. Kodwa indlu yakwa-Yuda yalandela u-Davide.
11 Inani lemihla u-Davide abe ngukumkani kwindlu yakwa-Yuda e-Hebron, beliyiminyaka esixěnxe nenyanga ezintandatů.

12 Wapůma u-Abnere unyana ka-Nere, nabakônzi baka-Ishboshete unyana ka-Saule e-Mahanayim, baya e-Gibeyon.
13 Bapůma u-Yowabi unyana ka-Tseruya, nabakônzi baka-Davide, baqubisana nabo ecíbini lase-Gibeyon. Bahlala aba ecíbini ngapå, bahlala abaya ecíbini ngapaya.
14 Watí u-Abinere ku-Yowabi, Amadodana makåkě asuke adlale påmbí kwetů. Watí u-Yowabi, Makěsuke.
15 Kwesuka, kwawela amanani: ishumi elinamabini lakwa-Benyamin, lakwa-Ishboshete unyana ka-Saule, neshumi elinamabini kubakônzi baka-Davide.
16 Yaba ngulowo wabambå uwabo ngentloko, neṙele lakě lela ecaleni lowabo; bawa kunye ndaweni-nye. Kwatíwa-ke lendawo yi-Helekati-hatsurim ese-Gibeyon.

17 Kwaliwa kakůlu ngalomini. Wagxotẘa u-Abinere namadoda akwa-Sirayeli påmbí kwabakônzi baka-Davide.
18 Babe lapô bobatåtů onyana baka-Tseruya: u-Yowabi, no-Abishayi, no-Asaheli. Ke u-Asaheli waye namendu enjengebådi lasendle.
19 U-Asaheli wamsukela u-Abinere; akatí-gubucala aye ngasekunene nangasekôhlo emva ko-Abinere.
20 Waběka u-Abinere, watí, Ungu-Asaheli-na? Watí yena, Ndinguye.
21 Watí u-Abinere kuye, Tyekela ngasekunene kwakô, nokuba kungasekôhlo kwakô, ubambě enye kumadodana, uzitåbatěle isiṙweqe sayo. Ke u-Asaheli akavuma ukutyeka ekumlandeleni.
22 Wabuya wapinda watí u-Abinere ku-Asaheli, Tyeka ekundilandeleni; yinina ukuba ndide ndikubetě uwe emhlabeni? Ndotí-nina ukubupåkamisa ubuso bam ku-Yowabi umkůluwa wakô?
23 Akavuma ukutyeka. U-Abinere wamtsho ngolutí lwentshuntshe esiswini; yaya kupůma intshuntshe ngasemva; wawa kôna, wafela kulondawo. Batí bonke abafika kulondawo, wawa wafela kuyo u-Asaheli, be-nqumama.
24 O-Yowabi no-Abishayi bamsukela bamlandela u-Abinere lada latshona ilanga; bada bafika endulini ye-Ama, ekångelene ne-Giya, endleleni yentlango ye-Gibeyon.
25 Bahlanganisana onyana baka-Benyamin, bamlandela u-Abinere, bambůmbånye, bema encotsheni yanduli-nye.
26 Wamemeza u-Abinere ku-Yowabi, watí, Liyakumana ukudla-na iṙele? Akwazi-na ukuba kuya kuba ṙaṙa kamva? Kuya kuba mzuzu ungakananina ungabaxeleli abantu, babuye ekusukeleni abazalwana babo?
27 Watí u-Yowabi, Ehleli-nje u-Yehova, ukuba bekungatělekiswanga nguwe: inene, ngebenyuswe bemka kwa ngokuya kwakusasa abantu, elowo akamsukela umzalwana wakě.
28 U-Yowabi wavutěla isigodlo; bema bonke abantu ababi sawasukela ama-Sirayeli, ababi sapínda balwe.
29 U-Abinere namadoda akě bahambå e-Araba bonke obobusuku; bayiwela i-Yordan, bayihambå yonke i-Bitron, beza e-Mahanayim.
30 Wabuya-ke u-Yowabi ekumsukeleni u-Abinere; wabahlanganisa abantu bo-

[1] Intsimi yezikáli.

Digitized by Google

nke: kwasweleka kubakônzi baka-Davide ishumi elinesitôba lamadoda no-Asaheli.

31 Ke abakônzi baka-Davide babebulele, kuma-Benyamin nakumadoda akwa-Abinere, amakûlu amatâtû anamanci amatândatû amadoda, afa.

32 Bamtâbatâ u-Asaheli, bamncwaba encwabeni likayise, elise-Betelehem. Bahambâ-ke ubusuku bonke u-Yowabi namadoda akè; kwasa bese-Hebron.

3 Kekaloku yoluka imfazwe pâkatî kwendlu ka-Saule nendlu ka-Davide. U-Davide waya esomelela ngokomelela; indlu a-Saule yaya incipa ngokuncipa.

2 U-Davide wazalelwa onyana e-Hebron: owamazibulo waba ngu-Amnon ngo-Ahinowam wase-Yizereli;

3 Owesibini waba ngu-Kiliyabi ngo-Abigali umka-Nabali wase-Karmele; owesitâtû waba ngu-Absalom unyana ka-Mahaka, intombî ka-Talemayi, ukumkani wase-Geshuri;

4 Owesine waba ngu-Adoniya unyana ka-Hagiti; owesihlanu waba ngu-Shefatiya unyana ka-Abitali;

5 Owesitândatû waba ngu-Itram ngo-Egla umka-Davide. Wabazalelwa abo u-Davide e-Hebron.

6 Kwatî, kwakubon' ukuba kukô imfazwe pâkatî kwendlu ka-Saule nendlu ka-Davide, u-Abinere wamana ukuzomelezela indlu ka-Saule;

7 Ke u-Saule ebe neshweshwe eligama belingu-Ritspa intombî ka-Aya: watî-ke *u-Ishboshete* ku-Abinere, Yinina ukuba ulingene ishweshwe likabawo?

8 Wavutâ kakûlu ngumsindo u-Abinere ngamazwi ka-Ishboshete, watî, Ndiyintloko yenja elunge kwa-Yuda yinina? Namhla ndiyenzela inceba indlu ka-Saule uyihlo, kubazalwana bakè, nakubahlobo bakè; andikuyekelanga esandleni sika-Davide; kanti-ke undivelele ngobugwenxa endibenze kulenkazana namhla.

9 U-Tixo makenje-nje ku-Abinere, aqokele ukwenje-nje; njengoko u-Yehova wamfungelayo u-Davide, ndiya kwenje njalo kuye;

10 Ukubugqitisa ubukumkani endlwini ka-Saule, kumiswe i-trone ka-Davide kwa-Sirayeli nakwa-Yuda, kutâbatêle e-Dan kuse e-Ber-sheba.

11 Akabi sabanakô ukumpêndula nezwi u-Abinere ngokumoyika.

12 Wesusa esikûndleni sakê u-Abinere abatûnywa, baya ku-Davide, esitî, Lelikabanina ilizwe? esitî, Yenza umnqopîso wakô nam; uyabona, isandla sam sinawe, ukuba aguqulelwe kuwe ama-Sirayeli onke.

13 Watî, Kulungile, ndowenza nawe umnqopîso; kodwa kukô nto nye ndiyifunayo kuwe, yile, Akuyi kububona ubuso bam, ungamzisanga u-Mikali intombî ka-Saule, wakuza kububona ubuso bam.

14 U-Davide wesusa abatûnywa, baya ku-Ishboshete unyana ka-Saule, esitî, Ndinike umkam u-Mikali, endamgana ngekûlu lamajwabu ama-Filisti.

15 Watûmela u-Ishboshete, wamtâbatâ kwindoda *yakê*, ku-Paltiyeli unyana ka-Layishe.

16 Yahambâ naye-ke indoda yakê, imana ilila emva kwake, kwada kwezisa e-Bahurim. Watî u-Abinere kuyo, Hamb' ubuye. Yabuya.

17 Kekaloku u-Abinere waye nelizwi kumadoda amakûlu akwa-Sirayeli, elitî, Kwa ngapâmbîli benimfuna u-Davide, ukuba abe ngukumkani kuni:

18 Yenzani kaloku, ngokuba u-Yehova utshilo ku-Davide, ukutî, Ndiya kubasindisa ngesandla sika-Davide umkônzi wam abantu bam ama-Sirayeli esandleni sama-Filisti, nasesandleni sentshaba zabo zonke.

19 Kananjalo u-Abinere ebetêtîle ezindlebeni zama-Benyamin; kanjalo u-Abinere waya kutêtâ ezindlebeni zika-Davide e-Hebron konke okulungileyo pâmbî kwama-Sirayeli, napâmbî kwendlu yonke yakwa-Benyamin.

20 Waya-ke u-Abinere ku-Davide e-Hebron, enamashumi amabini amadoda. U-Davide wamenzela-ke isidlo u-Abinere namadoda akè abe nawo.

21 Watî u-Abinere ku-Davide, Ndiya kusuka ndiye ndiwahlanganisele enkosini yam ukumkani onke ama-Sirayeli, enze umnqopîso nawe, ube ngukumkani entweni yonke oyinqwenelayo umpêfumlo wakô. U-Davide wamndulula u-Abinere; wahambâ exolile.

22 Kwabonakala abakônzi baka-Davide beno-Yowabi, bevela emsebenzini woku-

Digitized by Google

tuta besiza namaxôba amaninzi; ke u-Abinere ebengasekôna ku-Davide e-Hebron; ngokuba ubemndulule, wahambâ exolile.

23 Bafika o-Yowabi nomkôsi wonke anawo. Kwaxelwa ku-Yowabi, kwatîwa, U-Abinere unyana ka-Nere ubezile kukumkani, wamndulula, wahamba exolile.

24 Waya u-Yowabi kukumkani, watî, Yinto-nina le uyenzileyo? Uyabona, ubezile u-Abinere kuwe; yinto-nina lento umndululeyo, wahambâ wemka.

25 Uyamazi u-Abinere unyana ka-Nere, ukuba ubeze kukutômalalisa, ukuze akwazi ukupûma kwakô nokungena kwakô, akwazi konke okwenzayo.

26 Wapûma u-Yowabi ku-Davide, watûma abatûnywa; balandela u-Abinere, bambuyisa equleni lase-Sira, u-Davide engazi.

27 Wabuya-ke u-Abinere weza e-Hebron. U-Yowabi wamtâbatêla-bucala pâkatî kwesango, ukuba atêtê naye ngasese. Wamtsho kôna esiswini; wafa ngenxa yegazi lika-Asaheli umninawa wakê.

28 Weva u-Davide emveni kokuba kunjalo, watî, Ndimsulwa nobukumkani bam pâmbî ko-Yehova kude kuse epâkadeni ngamagazi ka-Abinere unyana ka-Nere;

29 Makawele entloko ka-Yowabi nakwindlu yonke yoyise; makanganqunyulwa angabikô endlwini ka-Yowabi umntu obôbôzayo, oneqênqa, osimelela ngentonga, owa ngefele, oswele ukudla.

30 U-Yowabi no-Abishayi umninawa wakê bambulala-ke u-Abinere, ngenx' enokuba ebembulele u-Asaheli umninawa wabo e-Gibeyon emfazweni.

31 Watî u-Davide ku-Yowabi nakubantu bonke anabo, Razulani ingubo zenu, nibînqe ezifwexayo, nimmbâmbâzelele u-Abinere. U-Davide ukumkani walilandela itâla.

32 Bamncwâbela e-Hebron u-Abinere. Walipâkamisa ukumkani ilizwi lakê, walila encwâbeni lika-Abinere. Balila abantu bonke.

33 Ukumkani wamenzela isimbônono u-Abinere, watî,

Angafa ngokufa kwesidenge-na u-Abinere?

34 Izandla zakô bezingakônxwanga, inyawo zakô bezingafakwanga amakâmandela obêdu.

Uwe njengowe pâmbî kwamabêdengu.

Bapînda bonke abantu bamlilela.

35 Bonke abantu beza kumdlisa u-Davide isonka, kusesemini. Wafunga u-Davide, esitî, U-Tîxo makenje-nje kum, aqokele ukwenje-nje, ukuba nditê, lingekatshoni ilanga, ndeva isonka, nokuba yinto eyiyimbî.

36 Bakugqala oko bonke abantu, kwalunga emehlweni abo; njengokuba konke abekwenza ukumkani bekulunga emehlweni abantu bonke.

37 Bazi-ke abantu bonke nama-Sirayeli onke ngalomini, ukuba ukubulawa kuka-Abinere unyana ka-Nere bekungapûme kukumkani.

38 Watî ukumkani kubakonzi bakê, Anazi-na, ukuba namhla-nje kuwe umtêtêli, umntu omkûlu kwa-Sirayeli.

39 Ke ndisebutâtâka, ndisatânjiswa namhla ukuba ndibe ngukumkani; lamadoda onyana baka-Tseruya alukûni kum. Akwaba u-Yehova angambuyekeza umenzi wobubi kwangobubi bakê.

4 Weva unyana ka-Saule, ukuba ufile u-Abinere e-Hebron, zawa izandla zakê. Onke ama-Sirayeli akwanqiswa yilonto.

2 Unyana ka-Saule ube namadoda amabini angabatêtêli bemikôsi: igama lenye lalingu-Bahana, igama leyesibini lalingu-Rekabi; bengonyana baka-Rimon wase-Beroti, kubo onyana baka-Benyamin. Ngokuba ne-Beroti ibibalelwa kwa-Benyamin:

3 Abase-Beroti babebalekele e-Gitayim, baba ngabapâmbûkeli kôna unanamhla.

4 Kekaloku u-Yonatan unyana ka-Saule ube nonyana ofe inyawo; ebe minyaka mihlanu ezelwe, ukufika kodaba luka-Saule no-Yonatan e-Yizereli; umondlikazi wakê wesuka wamtâbatâ, wabaleka; kwatî, ekubalekeni kwakê bupûtûpûtû, wawa, waba siqwala. Igama lakê belingu-Mefiboshete.

5 Bahambâ onyana baka-Rimon wase-Beroti, o-Rekabi no-Bahana, ekufudumaleni kwemini, bafika endlwini ka-Ishboshete, elele emin' enkulu.

6 Bona bangena endlwini pâkatî, ngokungatî baza kutâbata inqôlowa, basuka

Digitized by Google

bamtsho esiswini; basaba u-Rekabi no-Bahana umzalwana wakê.

7 Bangena-ke endlwini, elele esinqênqelweni sakè egumbîni lakê lokulala; bamhlaba, bambulala, bamnqumla intloko yakê, bahambâ ngendlela ye-Araba bonke ubusuku.

8 Bayisa intloko ka-Ishboshete ku-Davide e-Hebron, batî kukumkani, Nantsi intloko ka-Ishboshete unyana ka-Saule, utshaba lwakô, ebelufuna umpêfumlo wakô; u-Yehova uyipîndezelele inkosi yam namhla ku-Saule nakwimbéwu yakê.

9 U-Davide wabapêndula u-Rekabi no-Bahana umzalwana wakê, onyana baka-Rimon wase-Beroti, watî kubo, Ehlelinje u-Yehova, owukûluleyo umpêfumlo wam ekubandezelekeni konke:

10 Ndatî, owandixelelayo ukutî, Nanku u-Saule efile, eba uzisa indaba ezilungileyo, ndambambâ, ndambulalela e-Tsikelage, ukumnika umvuzo wendaba zakê.

11 Asikokukóna-na ndiya kulibiza igazi layo esandleni senu, ndinitshayele elizweni xa amadoda angendawo abulele indoda elilungisa endlwini yayo esililini sayo?

12 U-Davide wawawisela amadodana akwakê umtêtô; ababulala, abanqumla izandla nenyawo, azixôma ecîbini e-Hebron; ke intloko ka-Ishboshete ayitâbatâ, ayincŵaba encŵabeni lika-Abinere e-Hebron.

5 Zeza zonke izizwe zakwa-Sirayeli ku-Davide e-Hebron, zatsho ukutî, Uyabona, silitâmbô lakô nenyama yakô.

2 Kwa ngapâmbîli, oko u-Saule ebe ngukumkani kutî, ibinguwe obupûma ungena nama-Sirayeli. U-Yehova watî kuwe, Wena uya kubalûsa abantu bam ama-Sirayeli, wena uya kuba yingänga yama-Sirayeli.

3 Aya-ke onke amadoda amakûlu akwa-Sirayeli kukumkani e-Hebron. Wenza umnqopîso nawo ukumkani u-Davide e-Hebron pâmbî ko-Yehova; amtâmbîsa u-Davide ukuba abe ngukumkanî wama-Sirayeli.

4 U-Davide ube minyaka imashumi matâtû ezelwe, ukwenziwa kwakê ukumkani; waba neminyaka emashumi mane engukumkani.

5 Waba ngukumkani wakwa-Yuda e-Hebron iminyaka esixênxe nenyanga ezintandatû; e-Yerusalem waba ngukumkani iminyaka emashumi matâtû anamitâtû kuma-Sirayeli onke nama-Yuda.

6 Ukumkani waya namadoda akwakê e-Yerusalem kuma-Yebusi. Abemi belozwe bati ku-Davide, Akusokungena apâ; ke imfama neziqwala zokugxota; batsho beba u-Davide akasokungena apô.

7 U-Davide wayitîmbâ imbôniselo ye-Tsiyon: ngumzi ka-Davide ke-lowo.

8 Watî u-Davide ngalomini, Bonke abaxabela ama-Yebusi, mabaziwise engxangxasini iziqwala kwa nemfama ezitiyekileyo empêfumlweni ka-Davide. Ngenxa yoko bati, Infama neziqwala aziyikungena endlwini.

9 U-Davide wahlala embôniselweni, wayibiza ngokutî ngumzi ka-Davide. U-Davide wakâ ngenxa zonke, watâbatéla e-Milo wesa pâkatî.

10 Waya u-Davide eba mkûlu, u-Yehova u-Tîxo wemikôsi waba naye.

11 Kekaloku u-Hiram ukumkani wase-Tire watûmela abatûnywa ku-Davide, nemi-sedare, nencîbi zemitî, nencîbi zamatye endonga; zamakéla u-Davide indlu.

12 Wazi u-Davide, ukuba u-Yehova umqinisile wangukumkani, ukuba ubupâkamisile ubukumkani bakê ngenxa yabantu bakê ama-Sirayeli.

13 *U-Davide* wabuya wazeka abafazi namashweshwe e-Yerusalem, emveni kokusuka kwakê e-Hebron; wabuya wazalelwa onyana nentombî u-Davide.

14 Ngawo la amagama abo wabazalelwayo e-Yerusalem: ngu-Shamuwa, no-Shobabi, no-Natan, no-Solomon,

15 No-Ibehare, no-Elishuwa, no-Nefege, no-Yafiya,

16 No-Elishama, no-Eliyada, no-Elifelete.

17 Kekaloku eva ama-Filisti ukuba bamtâmbîsile u-Davide waba ngukumkani kuma-Sirayeli, enyuka-ke onke ama-Filisti aya kumfuna u-Davide. Weva u-Davide, wehla waya embôniselweni.

18 Ama-Filisti abeze, atî-dwe entilini yama-Rafa.

19 Wabuza u-Davide ku-Yehova, watî, Ndinyuke-na, ndiye kuma-Filisti? wowanikela-na esandleni sam? Watî u-Ye-

Digitized by Google

hova ku-Davide, Nyuka; ngokuba ndiwanikele mpela ama-Filisti esandleni sakô.

20 U-Davide weza e-Behali-peratsim; u-Davide wawaxabela kôna, watî, U-Yehova uzitŷobozile intshaba zam pâmbî kwam, njengokutŷoboza kwamanzi; ngenxa yoko watî igama lalondawo yi-Bahali-peratsim.

21 Awashiya amadalo awo; bawatâbatâ u-Davide namadoda akê.

22 Abuya apînda enyuka ama-Filisti, atî-dwe entlilini yama-Rafa.

23 Wabuza u-Davide ku-Yehova, watî yena, Uz'ungenyuki; jikela emva kwawe, ufike kuwo malunga nemitî yemi-baka.

24 Kotî, ekuveni kwakô isandi sokuhambâ emantloko emitî yemi-baka, wandule unxâmise; ngokuba woba upûmile pâmbî kwakô u-Yehova ngeloxesha, ukuba ayixabele impi yama-Filisti.

25 Wenje njalo u-Davide njengoko u-Yehova abemwisele umtêtô ngako, wawaxabela ama-Filisti, watâbatêla e-Geba wada waya e-Gezere.

6 Kekaloku wabuya wabahlanganisa u-Davide bonke abahleliweyo kwa-Sirayeli: amashumi amatâtû amawaka.

2 Wesuka-ke, wahambâ u-Davide nabantu bonke abe nabo esiya e-Bahali yakwa-Yuda, esiya kunyusa kona umkômbê ka-Tîxo, obizwa ngalo igama, igama lika Yehova wemikôsi ohleli pêzu kwe-kerubi.

3 Bawukwelisa enqweleni entsha umkômbê ka-Tîxo, bawutâbatâ endlwini ka-Abinadabi ebisendulini; u-Uza no-Ahiyo onyana baka-Abinadabi beyiqûba inqwelo entsha leyo.

4 Bayitâbatâ endlwini ka-Abinadabi esendulini, inomkômbê ka-Tîxo; u-Ahiyo ehambâ pambi komkômbê.

5 U-Davide nendlu yonke ka-Sirayeli beqambâ pâmbî ko-Yehova, bebetâ imitî yonke ye-kipros, nehadi, nemifubê, nengqongqo, namakêncekênce, namacangci.

6 Bafika esandeni sika-Nakon; wesa *isandla sakê* u-Uza emkômbêni ka-Tîxo, wawubambâ; ngokuba inkomo beziwugungqisa.

7 Wavutâ umsindo ka-Yehova ku-Uza: u-Tîxo wambetâ kôna, ngenxa yemasiselo, wafela kôna ngasemkombêni ka-Tîxo.

8 U-Davide wavutâ ngumsindo ngenx' enokuba u-Yehova wamtŷobozela ngotŷobozo u-Uza, watî londawo yi-Perets-uza unanamhla.

9 U-Davide wamoyika u-Yehova ngalomini, watî, Wotî-nina ukuza kum umkômbê ka-Yehova?

10 Akavuma-ke u-Davide ukuwususa uze kuye emzini ka-Davide umkômbê ka-Yehova; u-Davide wawusonga wawupâmbukisela endlwini ka-Obedi-edom wase-Gati.

11 Wahlala umkômbê ka-Yehova endlwini ka-Obedi-edom wase-Gati inyanga zantatû; u-Yehova wamsikelela u-Obedi-edom nendlu yakê yonke.

12 Kwaxelwa kukumkani u-Davide, kwatîwa, Uyisikelele u-Yehova indlu ka-Obedi-edom, nezinto zonke anazo, ngenxa yomkômbê ka-Tixo. Waya u-Davide, wawunyusa umkômbê ka-Tixo endlwini ka-Obedi-edom, wawuzisa emzini ka-Davide evuya.

13 Kwatî, bakunyatêla amabanga amatândatû abatwali bomkômbê ka-Yehova, wabingelela inkomo netôle elityetyisiweyo.

14 Waye u-Davide esinâ ngamandla onke pâmbî ko-Yehova, u-Davide ebînqe i-efodi ye-linen emhlopê.

15 O-Davide nendlu yonke ka-Sirayeli babewunyusa-ke umkômbê ka-Yehova, beduma, behlokomisa isigodlo.

16 Kwatî, wakufika umkômbê ka-Yehova emzini ka-Davide, u-Mikali intombi ka-Saule wavela nge-festile, wambona ukumkani u-Davide exûma esinâ pâmbî ko-Yehova, wamcekisa entliziyweni yakê.

17 Bawungenisa umkômbê ka-Yehova, bawumisa endaweni yawo pâkatî kwentente, abeyitwabululele wona u-Davide; u-Davide wenyusa amadini anyukayo pâmbî ko-Yehova nemibingelelo yoxolo.

18 Wagqiba u-Davide ukunyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, wabasikelela abantu ngegama lika-Yehova wemikôsi,

19 Wababela bonke abantu, yonke ingxokolo yama-Sirayeli, kwatâbatêla kwindoda kwesa nakumfazi; elowo wamnika umqâtâne wesonka, nomlingahiso *we-wa-*

Digitized by Google

yini, nesicumbâ se-rasintyisi. Baya-ke bonke abantu elowo endlwini yakê.

20 Wabuya u-Davide, eza kusikelela indlu yakê. Wapûma u-Mikali intombî ka-Saule, eya kukâulela u-Davide, watî, Hayi ukuzizukisa kokumkani wama-Sirayeli namhla, ozihlubileyo namhla pâmbî kwabakônzazana babakonzi bakê, njengoko azihlubayo umntu ongenabuntu.

21 Watî u-Davide ku-Mikali, Bekusebusweni buka-Yehova owandinyulayo pâmbî koyihlo napâmbî kwendlu yakê yonke, ukuba andimise ndibe yingănga yabantu baka-Yehova ama-Sirayeli, bekusebusweni buka-Yehova ukuqambâ kwam;

22 Ndisaya kudeleka kunoko, nditôbeke emehlweni am; ke abakônzazana otêtê ngabo, ndisaya kuzukiswa ngabo.

23 Ke u-Mikali intombî ka-Saule akabanga namntwana kwada kwangumhla wokufa kwakê.

7 Kwatî, xa ukumkani ahleliyo endlwini yakê, u-Yehova empûmzile ngenxa zonke ezintshabeni zakê zonke,

2 Watî ukumkani ku-Natan um-profeti, Kâukângele, ndihleli endlwini yemi-sedare, ke wona umkômbê ka-Tîxo uhleli pâkatî kwamalengalenga.

3 Watî u-Natan kukumkani, Konke okusentliziyweni yakô, hambâ uye ukwenze; ngokuba u-Yehova unawe.

4 Kwatî ngobobusuku, lafika ilizwi lika-Yehova ku-Natan, lisitî,

5 Hamb' uyokutî kwisicaka sam u-Davide, Utsho u-Yehova ukutî, Wena uya kundakêla indlu yokuba ndihlale-na?

6 Ngokuba andihlalanga ndlwini kususela kwimini endabanyusayo onyana baka-Sirayeli e-Yiputa kude kube nanamhla, ndaba ngohambâhambâ ngen-tente engumnquba.

7 Konke ixesha endahambâhambâ ngalo pâkatî konyana bonke baka-Sirayeli, ndakâ ndalitêtâ-na ilizwi nakusinye isizwe sakwa-Sirayeli, endasiwisela umtêtô wokuba sibalûse abantu bam ama-Sirayeli, ndisitî, Yinina ukuba ningandakêli indlu yemi-sedare?

8 Kengoko wotsho ukutî kwisicaka sam u-Davide, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ndakutâbatâ edlelweni nma, ekulandeleni impahl' emfutshane, ukuba ube yingănga yabantu bam ama-Sirayeli;

9 Ndaba nawe kuko konke owahambâ kuko, ndazinqumla zonke intshaba zakô pâmbî kwakô, ndakwenzela igama elikûlu njengegama labakûlu abasemhlabeni;

10 Ndabamisela indawo abantu bam ama-Sirayeli, ndabatyala ukuba bahlale esikûndleni sabo, bangabi sagungqa, onyana bobutshijolo bangabuye babacinezele njengasekuqaleni,

11 Kususela kulamini ndabamisela abantu bam ama-Sirayeli abalauli. Ndiya kukupûmza ezintshabeni zakô zonke; u-Yehova uyakuxelela, ukuba u-Yehova uya kukwenzela indlu.

12 Xa itê yazaliseka imihla yakô, walala koyihlo: ndoyipâkamisa emva kwakô imbêwu yakô, eya kupûma ezibilinini zakô, ndibuqinise ubukumkani bakê.

13 Nguye oya kulakêla igama lam indlu, ndiyiqinise i-trone yobukumkani bakê kude kuse epâkadeni.

14 Mna ndiya kuba nguyise wakê, yena abe ngunyana wam; endotî ebugwenxeni bakê, ndimohlwaye ngentonga yabantu nangobetô lonyana baka-Adam.

15 Ke yona inceba yam ayi kusuka kuye, njengoko ndayisusayo ku-Saule, endimsusileyo ebusweni bakô.

16 Iya kuqina indlu yakô nobukumkani bakô kude kuse epâkadeni pâmbî kwakô, i-trone yakô iya kuqiniseka kude kuse epâkadeni.

17 Njengalomazwi onke, njengalombono wonke, wenje njalo ukutêtâ u-Natan ku-Davide.

18 Waya ukumkani u-Davide, wahlala pâmbî ko-Yehova, watî, Ndingubanina, Nkosi yam Yehova? Iyinto-nina indlu yam, ukuba ude undizise nalapâ?

19 Kusekuncinane oko-ke emehlweni akô, Nkosi yam Yehova, utêtâ nangendlu yomkônzi wakô usingise mgama. Lo-ke ngumyalelo womntu, Nkosi yam Yehova.

20 Angabuye abesatêtâ nto-nina-ke u-Davide kuwe? wena uyamazi umkônzi wakô, Nkosi yam Yehova.

21 Ngenxa yelizwi lakô nangokwentliziyo yakô ubenzile bonke obobukûlu, ukuba ubazise umkônzi wakô.

22 Ngenxa yoko umkûlu, Yehova Tîxo; ngokuba akukô unjengawe; akukô Tîxo ngapâya kwakô, njengoko konke sikuvileyo ngendlebe zetû.

23 Lulupîna uhlanga emhlabeni apâ o-

Digitized by Google

lunjengabantu bakô, olunjengama-Sirayeli, awaya kuzikûlulela u-Tîxo, ukuba lube ngabantu, ukuba aziinisele igama ngalo, anenzele izenzo ezikûlu nina, alenzele izenzo ezoyikekayo ilizwe lakô ebusweni babantu bakô, owazikûlulelayo e-Yiputa, ezintlangeni nakotîxo bazo.

24 Uziqinisele abantu bakô ama-Sirayeli, ukuba babe ngabantu kuwe kude kuse epâkadeni; wena, Yehova, waba ngu-Tîxo kubo.

25 Kaloku, Yehova Tîxo, ilizwi olitêtîleyo ngomkônzi wakô, nangendlu yakê, limise kude kuse epâkadeni, wenze njengoko ukutêtîleyo;

26 Likûle igama lakô kude kuse epâkadeni; kusitîwa, U-Yehova wemikôsi ngu-Tîxo wama-Sirayeli, nendlu yomkônzi wakô u-Davide izinzile pâmbî kwakô.

27 Ngokuba wena, Yehova wemikôsi, Tîxo ka-Sirayeli, utŷilile ezindlebeni zomkônzi wakô, watî, Ndiya kukwakêla indlu; ngenxa yoko umkônzi wakô uyifumene intliziyo yokuze awutândaze kuwe lomtândazo.

28 Kaloku, Nkosi yam Yehova, unguye u-Tîxo, namazwi akô aya kuba yinyaniso; utêtê oko kulungileyo kumkônzi wakô;

29 Kaloku makukôleke kuwe ukuyisikelela indlu yomkônzi wakô, ukuba ihlal'ihleli pâmbî kwakô ngonapâkade; ngokuba wena, Nkosi yam Yehova, utêtîle; ngentsikelelo yakô mayisikelelwe indlu yomkônzi wakô ngonapâkade.

8 Kwatî emveni kokuba njalo, u-Davide wawaxabela ama-Filisti, waweyisa; u-Davide wabutâbatâ ubukôsi esandleni sama-Filisti.

2 Wawaxabela ama-Mowabi, wawalinganisa ngolutya, ewalalisa emhlabeni; walinganisa izintya zambîni zokubulala, nolutya lwalunye oluzalisekileyo lokusindisa. Ke ama-Mowabi aba ngabakônzi ku-Davide, azisa iminikelo.

3 U-Davide wamxabela u-Hadadezere unyana ka-Rehobi, ukumkani we-Tsoba, ekuyeni kuwabuyisa amandla akê emlanjeni ongum-Frati.

4 U-Davide watîmbâ iwaka *lenqwelo zokulwa* namakûlu asixênxe abamahashe, namashumi amabini amawaka angumqikela; u-Davide wawanqumla imisipa onke amahashe enqwelo zokulwa, washiya kuwo awenqwelo alikûlu.

5 Ama-Aram ase-Damasko eza kumnceda u-Hadadezere ukumkani we-Tsoba. U-Davide wabulala kuma-Aram amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

6 U-Davide wamisa i-posi kwâ-Aram e-Damasko; ama-Aram aba ngabakônzi baka-Davide, azisa iminikelo. U-Yehova wamsindisa u-Davide endaweni zonke awahambâ kuzo.

7 Wawatâbatâ u-Davide amakâka e-golide abe kubakonzi baka-Hadadezere, wawazisa e-Yerusalem.

8 Nase-Beta nase-Berotayi, imizi ka-Hadadezere, u-Davide ukumkani watâbatâ ubêdu oluninzi kunene.

9 Weva u-Toyi ukumkani wase-Hamati, ukuba u-Davide uyixabele yonke impi ka-Hadadezere,

10 U-Toyi wamtûma u-Yoram unyana wakê kukumkani u-Davide, ukuba ambuze ukupîla kwakê, amsikelele ngenxa yokuba ebelwile no-Hadadezere, wamxabela, (ngokuba u-Toyi ibi ngumfo obesilwa no-Hadadezere); waye u-Yoram lowo enempahla ze-silivere, nempahla ze-golide, nempahla zobêdu esandleni sakê.

11 Ukumkani u-Davide wazingcwalisela ku-Yehova kananjalo ezo, kunye ne-silivere ne-golide abeyingcwalisile, eyavela ezintlangeni zonke, awazeyisayo;

12 Kuma-Aram, nakuma-Mowabi, nakonyana baka-Amon, nakuma-Filisti, nakuma-Amaleki, nakumaxôba ka-Hadadezere unyana ka-Rehobi, ukumkani we-Tsoba.

13 Wazenzela igama u-Davide ekubuyeni kwakê ekuwaxabeleni ama-Aram esihlanjeni setyuwa, ebulele ishumi elinesibôzo lamawaka.

14 Wamisa i-posi kwelama-Edom; wamisa i-posi kwelama-Edom lonke, aba ngabakônzi ku-Davide onke ama-Edom. U-Yehova wamsindisa u-Davide endaweni zonke awahambâ kuzo.

15 Waye ngukumkani-ke u-Davide kuma-Sirayeli onke. Waye u-Davide esenza okusesikweni nobulungisa ebantwini bakê bonke.

16 Ke u-Yowabi unyana ka-Tseruya wayepêtê umkôsi; no-Yehoshafati unyana

Digitized by Google

ka-Ahiludi waye ngumkûmbûzi wezinto zakomkûlu.

17 U-Tsadoki unyana ka-Ahitubi no-Ahimeleki unyana ka-Abiyatare babe ngabenzeleleli; u-Seraya waye ngumbâli;

18 U-Benaya unyana ka-Yehoyada u-bepêtê abancinitî nezigidimi. Onyana baka-Davide babe ngabenzeleleli.

9 Watî u-Davide, Kusekô mpunde-na kwindlu ka-Saule, ukuze ndiyenzele inceba ngenxa ka-Yonatan?

2 Ke, indlu ka-Saule ibinomkônzi ogama belingu-Tsiba; bambizela ku-Davide. Watî ukumkani kuye, Ungu-Tsiba-na? Watî yena, Ndingumkônzi wakô.

3 Watî ukumkani, Akusekô namnye-na umntu wendlu ka-Saule, ndimenzele inceba ka-Tixo? Watî-ke u-Tsiba kukumkani, Kusekô unyana ka-Yonatan, ofe inyawo.

4 Wati ukumkani kuye, Upîna? Watî u-Tsiba kukumkani, Nankuya endlwini ka-Makire unyana ka-Amiyeli, e-Lodebare.

5 Watûmela-ke ukumkani u-Davide, wamtâbatâ endlwini ka-Makire unyana ka-Amiyeli, e-Lodebare.

6 Weza u-Mefiboshete, unyana ka-Yonatan, unyana ka-Saule, ku-Davide, wawa ngobuso, waqubuda. Watî u-Davide, Mefiboshete. Watî-ke yena, Nanku lomkônzi wakô.

7 Watî u-Davide kuye, Mus'ukoyika; ngokuba ndiya kukwenzela inceba ngenene ngenxa ka-Yonatan uyihlo, ndikubuyisele onke amasimi ka-Saule uyihlo; wena udle isonka e-tafileni yam ngamaxesha onke.

8 Waqubuda, watî, Umkônzi wakô uyinto-nina, ukuba uyibêke inja efileyo enjengam-nje?

9 Ukumkani wabiza u-Tsiba, umfana wakwa-Saule, watî kuye, Yonke into ebiyeka-Saule, neyendlu yakê yonke, ndiyinike unyana wenkosi yakô.

10 Uz'umlimele umhlaba, wena nonyana nakô, nabakônzi bakô, umzisele abe nokudla unyana wenkosi yakô, adle; ke u-Mefiboshete unyana wenkosi yakô uya kudla ngamaxesha onke e-tafileni yam. Kekaloku u-Tsiba waye nonyana abalishumi elinantlanu, nabakônzi abamashumi mabini.

11 Watî u-Tsiba kukumkani, Ngokwento yonke, emwisele umtêtô ngayo umkônzi wayo inkosi yam ukumkani, uya kwenje njalo umkônzi wakô. U-Mefiboshete wadla e-tafileni yakê njengabanye onyana bokumkani.

12 U-Mefiboshete ebe nonyana omncinane, ogama belingu-Mika. Bonke abebehleli endlwini ka-Tsiba bebe ngabakônzi baka-Mefiboshete.

13 U-Mefiboshete ubehlala e-Yerusalem; ngokuba ubesidla e-tafileni yokumkani ngamaxesha onke; ubefe inyawo zakê zombîni.

10 Kwatî emveni kokuba njalo, wafa ukumkani wonyana baka-Amon; wangukumkani u-Hanun unyana wakê esikûndleni sakê.

2 Watî-ke u-Davide, Mandimenzele inceba u-Hanun unyana ka-Nahashe, njengokuba noyise wandenzela inceba. Watûmela u-Davide ngesandla sabakônzi bakê ukumkûza ngaye uyise. Beza-ke abakônzi baka-Davide ezweni lonyana baka-Amon.

3 Batî abatêtêli bonyana baka-Amon ku-Hanun inkosi yabo, Ucinga ukuba u-Davide uzukisa uyihlo-na emehlweni ako, ngokuba etûme abakûzi kuwe? U-Davide akabatûmele-na abakônzi bakê kuwe ukuze awugocagoce umzi, awuhlole, awubûkuqe?

4 Wabatâbatâ-ke u-Hanun abakônzi baka-Davide, wabâguya elinye icala lendevu zabo, wazicanda pâkatî ingubo zabo ezinde, wada waya kuma ngemisekela, wabandulula-ke.

5 Waxelelwa u-Davide; watûma izigidimi zokubakâulela; ngokuba amadoda-lawo abehlazisiwe kunene. Watî ukumkani, Hlalani e-Yeriko, zide zihlume indevu zenu, nandul' ukubuya.

6 Babona onyana baka-Amon, ukuba bazinukisile ku-Davide, batûmela-ke onyana baka-Amon, baqesha kuma-Aram ase-Bete-rehobi, nakuma-Aram ase-Tsoba amashumi amabini amawaka angumqikela, nakukumkani wase-Mahaka iwaka lamadoda, nakumadoda ase-Tobi ishumi elinamabini lamawaka amadoda.

7 Weva u-Davide; watûma u-Yowabi enomkôsi wonke wamagofa.

8 Bapûma onyana baka-Amon, bakâ izintlu zokulwa ekungeneni kwesango; ama-Aram ase-Tsoba, nawase-Rehobi, namado-

Digitized by Google

da ase-Tobi, nawase-Mahaka awodwa endle.

9 Wabona u-Yowabi ukuba imfazwe ibêke kuye, ngapâmbîli nangasemva, wanyula emadodeni onke ahleliweyo kwa-Sirayeli, wakâ uluhlu malunga nama-Aram;

10 Abanye abantu wabanikela esandleni sika-Abishayi umninawa wakê, wabakâ baluluhlu malunga nonyana baka-Amon.

11 Watî, Ukuba ama-Aram atê andeyisa, wondisiza; ukuba batê onyana baka-Amon bakoyisa, ndoza kukusiza.

12 Yomelela, somelele ngenxa yabantu bakowetû, nangenxa yemizi yo-Tîxo wetû; u-Yehova enze oko kulungileyo emehlweni akê.

13 Weza u-Yowabi nabantu ababe naye, walwa nama-Aram; asaba ebusweni bakê.

14 Babona onyana baka-Amon ukuba asabile ama-Aram, basaba nabo ebusweni buka-Abishayi, bangena ekâya. Wabuyake u-Yowabi konyana baka-Amon, weza e-Yerusalem.

15 Abona ama-Aram ukuba agxotîwe pâmbî kwama-Sirayeli, ahlanganisana ndawonye.

16 Watûmela u-Hadadezere, wawafola ama-Aram abepêsheya komlambô eza e-Helam; u-Shobaki umtêtêli womkôsi ka-Hadadezere epâmbi kwawo.

17 Kwaxelwa ku-Davide; wahlanganisa ama-Sirayeli onke, wayiwela i-Yordan, waya e-Helam. Akâ izintlu ama-Aram malunga no-Davide, alwa naye.

18 Asaba ama-Aram ebusweni bama-Sirayeli. U-Davide wabulala kuma-Aram amakûlu asixênxe abenqwelo zokulwa, namashumi amane amawaka abamahashe. Waxabela no-Shobaki umtêtêli womkôsi wawo; wafela kôna.

19 Bonke okumkani abakônza u-Hadadezere babona, ukuba bagxotîwe pâmbî kwama-Sirayeli, baxolelana nama-Sirayeli, bawakônza. Oyika-ke ama-Aram ukuba sabasiza onyana baka-Amon.

11 Kwatî ukuvela komnyaka, ngexesha lokupûma kokumkani *ukuya kulwa*, u-Davide wamtûma u-Yowabi, nabakônzi bakê kunye naye, nama-Sirayeli onke, batshabalalisa onyana baka-Amon, bayingqinga i-Raba. U-Davide wayehleli e-Yerusalem.

2 Kwatî ngexesha langokuhlwa, wavuka u-Davide esililini sakê, wahambâhambâ pêzu kopâhla lwendlu yokumkani; watî, eselupâhleni, wabona umfazi ezihlambâ; ke umfazi lowo waye mhle kunene ngembônakalo.

3 Watûmela u-Davide, wabuzisa ngalomfazi. Kwatîwa, Asinguye-na u-Batsheba-lowo, intombî ka-Eliham, umka-Uriya um-Heti?

4 U-Davide watûma abatûnywa, wamtâbatâ; weza-ke yena kuye, walala naye. Akuba ezingcwalisile ebunqambîni bakê, wabuyela endlwini yakê.

5 Wamitâ umfazi-lowo; watûmela, waxelela u-Davide, watî, Ndimitî.

6 U-Davide watûmela ku-Yowabi, *esiti*, Tûmela kum apâ u-Uriya um-Heti. U-Yowabi wamtûmela u-Uriya ku-Davide.

7 Waya u-Uriya kuye. Wabuza u-Davide, ukuba unjanina u-Yowabi, banjanina abantu, injanina imfazwe.

8 U-Davide watî ku-Uriya, Yihla uye endlwini yakô, uhlambê inyawo zakô. Wapûma u-Uriya endlwini yokumkani; kwapûma emva kwakê isipô sokumkani.

9 U-Uriya walala emnyango wendlu yokumkani nabakônzi bonke benkosi yakê; akehla aye endlwini yakê.

10 Kwaxelwa ku-Davide, kwatîwa, U-Uriya akehlanga aye endlwini yakê. Wati u-Davide ku-Uriya, Akuveli eluhambêni na? yinina ukuba ungehli uye endlwini yakô?

11 Watî u-Uriya ku-Davide, Umkômbê nama-Sirayeli nama-Yuda ahleli eminqubeni, nenkosi yam u-Yowabi nabakônzi benkosi yam bahleli endle; mna ndiye endlwini yam, ndidle, ndisele, ndilale nomkam? Uhleli-nje wena, uhleli-nje umpêfumlo wakô, andiyi kuyenza lonto.

12 Watî u-Davide ku-Uriya, Hlala apâ nanamhla, ndokundulula ngomso. Wahlala-ke u-Uriya e-Yerusalem ngalomhla nangengomso.

13 U-Davide wammema; wadla, wasela pâmbî kwakê; wamnxilisa. Wapûma ngokuhlwa, waya kulala esililini sakê nabakônzi benkosi yakê; akehla aye endlwini yakê.

14 Kwatî kusasa, u-Davide wabâla incwadi ku-Yowabi, wayitûmela ngesandla sika-Uriya.

15 Wabâla-ke encwadini, watî, Mbekeni u-Uriya kweyona ndawo ishushu, angasi-

Digitized by Google

cênge kuyo emfazweni, nibuy' umva ukuze abinzwe afe.

16 Kwatî, ekuwungqingeni kuka-Yowabi umzi-lowo, wambeka u-Uriya kwindawo abesazi ukuba akuyo amadoda angamaŕoti.

17 Apûma amadoda alomzi, alwa no-Yowabi; kwawa abantu kubakônzi baka-Davide; wafa no-Uriya um-Heti.

18 Watûmela u-Yowabi ku-Davide, wamxelela zonke indawo zemfazwe.

19 Wamwisela umtûnywa ûmtêtô, esitî, Xa ugqibileyo ukuzenza zonke indaba zemfazwe kukumkani,

20 Wotî, ukuba butê benyuka ubushushu bokumkani, watî kuwe, Ibiyinina ukuba nisondele kangaka kulomzi ngokulwa? beningazi-na ukuba botola beseludongeni?

21 Wabetŵa ngubanina u-Abimeleki unyana ka-Yerubeshete? akagityiselwangana yinkazana ngelityе lokusila eludongeni, wafela e-Tebetse? ibiyinina ukuba nisondele kangaka eludongeni? utî, Nomkônzi wakô u-Uriya um-Heti ufile naye.

22 Wahambâ-ke umtûnywa, waya, wamxelela u-Davide konke u-Yowabi abemtûme kôna.

23 Watî umtûnywa ku-Davide, Atî akuseyisa tîna amadoda, apûma eza kutî pândle; saba pêzu kwawo-ke, sada sesa ekungeneni kwesango;

24 Batola abatoli kubakônzi bakô beseludongeni; kwafa inxenye kubakônzi bokumkani, umkônzi wakô u-Uriya um-Heti ufile naye.

25 Watî u-Davide kumtûnywa lowo, Wotsho ku-Yowabi ukutî, Mayingabi mbî emehlweni akô lendawo; ngokuba iŕele eli lidla kulo nakulowa. Komeleze ukulwa kwakô, nomzi-lowo uwucîtê; uz'umomeleze-ke.

26 Weva umka-Uriya ukuba ufile u-Uriya indoda yakê, wayimbâmbâzelela indoda yakê.

27 Lakudlula ixesha lezila lakê; watûmela u-Davide, wamtâbatêla endlwini yakê, waba ngumkakê, wamzalela unyana. Ke lonto wayenzayo u-Davide yaba mbî emehlweni ka-Yehova.

12 U-Yehova watûmela u-Natan ku-Davide. Waya kuye, watî kuye, Kwaye kukô amadoda amabini mzimnye: enye isityebi, enye ilihlwempu.

2 Esityebi yayi nempahl' emfutshane nenkomo ezininzi kunene;

3 Elihlwempu yayinge nanto, kupêla yayi nemvanazana encinane inye, ebeyizuzile, yayigcina; yakûlela kuyo nabantwana bayo ndaweni-nye, yadla eqêkezeni layo, yasela endebeni yayo, yalala esifubeni sayo, yanjengentombî yayo.

4 Kwafika umhambî endodeni esityebi eso, sanqena ukutâbatâ emphalleni yaso emfutshane nasezinkomeni zaso, ukulungiselela umhambî-lowo ufikileyo kuso; sesuka satâbatâ imvanazana yendoda elihlwempu, salungiselela umntu ofike kuso.

5 Wavutâ kunene umsindo ka-Davide kwindoda-leyo, watî ku-Natan, Ehleli-nje u-Yehova, ngumfo wokufa londoda yenze lento.

6 Iya kuyimisela ngesine imvanazanaleyo, ngenx' enokuba yenze lonto, nangenxa yokuba ingabanga nalufefe.

7 Waza watî u-Natan ku-Davide, Londoda nguwe. Utsho u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli ukutî, Mna ndakutâmbîsa ukuba ube ngukumkani kuma-Sirayeli, mna ndakuhlangula esandleni sika-Saule,

8 Ndakunika indlu yenkosi yakô, nabafazi benkosi yakô esifubeni sakô, ndakunika indlu yakwa-Sirayeli neyakwa-Yuda; ke, ukuba bekukuncinane oko, ngendikongezile ndenjenje, ndenjenje.

9 Yinina ukuba ulidele ilizwi lika-Yehova, wenze ububi emehlweni ake, umbulale u-Uriya um-Heti ngeŕele, nomkakê umzeke abe ngumkakô, umbulele ngeŕele lonyana baka-Amon?

10 Kengoko, iŕele aliyi kumka endlwini yako napâkade; ngenx' enokuba undidelile, wamzeka umka-Uriya um-Heti wangumkakô.

11 Utsho u-Yehova ukutî, Ndikuvelisela ububi obuya kupûma endlwini yakô: ndibatâbatê abafazi bakô emehlweni akô, ndibanike uwenu, alale nabafazi bakô pâmbî kwelanga eli.

12 Ekubeni wena ukwenze oku ngasese; ke mna ndiya kuyenza lento pâmbî kwama-Sirayeli onke napâmbî kwelanga-eli.

13 Watî u-Davide ku-Natan, Ndonile ku-Yehova. Watî u-Natan ku-Davide, Naye u-Yehova usikwêlelisile isono sakô, akuyi kufa.

14 Kodwa-ke ngenxa yokuba uzinike itûba lokunyelisa intshaba zika-Yehova nga-

Digitized by Google

lento; ke unyana omzalelweyo *ngulomfazi* uya kufa ngenene.
15 Waya u-Natan endlwini yakê.

U-Yehova wamhlisela isifo umntwana abemzalelwe u-Davide ngumka-Uriya; wagula kakûlu.
16 U-Davide wambongoza u-Tîxo ngenxa yenkwenkwe-leyo; u-Davide wazila ukudla, waqungquluza emhlabeni bonke ubusuku.
17 Asuka ema amadoda amakûlu endlu yakê, emvusa emhlabeni; akavuma, akadla sonka nawo.
18 Kwatî ngomhla wesixênxe, wafa umntwana. Boyika abakonzi baka-Davide ukumxelela ukuba umntwana ufile; ngokuba bebesitî, Yabonani, oko umntwana ebesahleli satêtâ naye, akalipûlapûla ilizwi letû: sotî-nina ukutî kuye, Ufile umntwana, aze enze into embî?
19 Wabona u-Davide ukuba abakônzi bake bayasebezelana, waqonda u-Davide ukuba ufile umntwana; watî u-Davide kubakônzi bakê, Ufile-na umntwana? Batî, Ufile.
20 Wesuka u-Davide emhlabeni, wazihlambâ, wazitâmbîsa, wanxiba ngubo zimbî, waya endlwini ka-Yehova, waqubuda; weza endlwini yakê, wabiza ukudla; babeka pâmbî kwakê, wadla.
21 Batî abakonzi bakê kuye, Yinto-nina lento uyenzileyo? oko ebesahleli *umntwana* wazila ukudla, walila, akuba efile umntwana, uvukile wadla ukudla.
22 Watî yena, Xa ebesahleli umntwana, ndazila ukudla, ndalila; ngokuba bendisitî, Ngubanina owaziyo, mhlaumbî u-Yehova angandibabala, apîle umntwana.
23 Efile-nje kaloku yinina ukuba ndibe ndisazila ukudla? ndisenakô yinina ukumbuyisa? Ndiya kuya kuye mna, yena akayi kubuyela kum.
24 U-Davide wamtûtûzela u-Bâtsheba umkakê; wangena kuye, walala naye; wazala unyana, watî igama lakê ngu-Solomon.[1] Ke u-Yehova wamtânda;
25 Watûmela ngesandla sika-Natan u-m-profeti, watî; Igama lakê ngu-Yedidiya[2] ngenxa ka-Yehova.

26 Kekaloku u-Yowabi walwa ne-Raba yonyana baka-Amon, wawutîmbâ umzi wakomkûlu-lowo.
27 U-Yowabi watûma abatûnywa ku-Davide, esitî, Ndilwile ne-Raba, kananjalo ndiwutîmbîle umzi wamanzi lo.
28 Hlanganisa ngoko abantu abaseleyo uwufaule umzi, uwutîmbê; hleze mna ndiwutîmbê lomzi, ubizwe ngam.
29 Wabahlanganisa u-Davide bonke abantu, waya e-Raba, walwa nayo, wayitîmbâ.
30 Wasitâbatâ isitsaba sokumkani wabo entloko yakê; ubunzima baso bebuyi-talente[1] ye-golide, sinamatye anqabileyo; saba sentloko ka-Davide. Wapûma namaxôba alomzi amaninzi kunene.
31 Ke abantu ababe kôna wabafola, wabafaka ezisafeni, nasezisizilweni zesinyiti nasezimpahleni ezibukâli zesinyiti, wabacandisa emazikweni ezitena. Wenje njalo kwimizi yonke yonyana baka-Amon. Wabuyela e-Yerusalem u-Davide nabantu bonke.

13 Kwatî emveni koko, u-Abisalom unyana ka-Davide enodade wabo oyinzwakazi, ogama belingu-Tamare; wesuka u-Amnon unyana ka-Davide wamtânda.
2 Wabandezeleka u-Amnon, ngokokude azihlisele isifo ngenxa ka-Tamare udade wabo; ngokuba ebe yintombî; kwanqaba emehlweni ka-Amnon ukuba amenze into.
3 Kekaloku u-Amnon ebe nomhlobo, ogama belingu-Yonadabi, unyana ka-Shimeha umkûluwa ka-Davide. U-Yonadabi ebe yindoda elumke kunene.
4 Watî kuye, Yinina ukuba ube nje ukubitya imiso ngemiso, nyana wokumkani? Akundixeleli-na? Watî u-Amnon kuye, Nditânda u-Tamare, udade bo-Abisalom umninawa wam.
5 U-Yonadabi watî kuye, Lala esililini sakô, uzigulise; ke wotî akuza kukubona uyihlo, utî kuye, Makê eze u-Tamare udade wetû, andinike into edliwayo, ayenze pâmbî kwam, ukuze ndiyibone, ndiyidle esandleni sakê.
6 Walala-ke u-Amnon, wazigulisa. Ukumkani waya kumbona. Watî u-Amnon kukumkani, Makê eze u-Tamare udade wetû, enze pâmbî kwam izonkana eziyolisa mtliziyo, zibe zibini, ndizidle esandleni sakê.

[1] U-Luxolo.
[2] U-Ntanda-ka-Yehova.

[1] I-talente izi-ponti ezilikûlu elinamashumi amabini anantlana ubunzima.

Digitized by Google

7 Watûmela u-Davide ku-Tamare endlwini, esiti, Kâuye endlwini ka-Amnon umnakwenu, umenzele ukudla.

8 Waya u-Tamare endlwini ka-Amnon umnakwabo; yena elele pântsi. Watâbatâ intlama, waxovula, wenza izonkana eziyolisa intliziyo pâmbî kwakê, wazosa izonkana eziyolisa intliziyo.

9 Watâbatâ i-pani, wazikûpela pâmbî kwakê; akavuma ukudla. Watî u-Amnon, Mabakûtshwe abantu bonke bapûme kum. Bapûma bonke abantu kuye.

10 Watî u-Amnon ku-Tamare, Kuzise ekûsini apâ ukudla, ndidle esandleni sakô. Wazitâbatâ u-Tamare izonkana eziyolisa intliziyo abezenzile, wazisa ekûsini ku-Amnon nmnakwabo.

11 Wazisondeza kuye ukuba adle. Wesuka yena, wambambâ, watî kuye, Yiza, ulale nam, dade wetû.

12 Watî kuye, Musa, **mnakwetû**, mus' ukundidlwengula; ngokuba **akwenjiwa**-nje kwa-Sirayeli; musa ukulenza elinyala.

13 Mna ndingaya pîna nehlazo lam? Ke, wena ungaba njengowabanobudenge kwa-Sirayeli. Kâutêtê-ke ngoko nokumkani; ngokuba akangemangale nam kuwe.

14 Akavuma yena ukulipûlapûla ilizwi lakê. Wameyisa, wamdlwengula, walala naye.

15 Waza u-Amnon wamtîya ngentiyo enkulu kunene; ngokuba yaba nkulu intiyo awamtîya ngayo ngapêzu kwentando abemtânde ngayo. Watî u-Amnon kuye, Suk' umke.

16 Watî kuye, Mus'ukuba yimbangi yobububi bokundigxotâ bukûlu ngapêzu kobuya ubenzileyo kum. Akavuma ukumpûlapûla.

17 Wabiza umfana, umlungiseleli wakê, watî, Kâugxotê *lenkazana*, imke kum, iye pândle, utshixe ucango emva kwayo.

18 Ke yayambêtê ingubo ende enemikôno; ngokuba bezisenje njalo intombî zokumkani ezisezintombî ukwambâtâ ingubo yokwaleka. Wayikûpêla ngapândle-ke umlungiseleli wakê, walutshixa ucango emva kwayo.

19 U-Tamare wazigalela utûtû entloko, wayiřazula ingubo yakê ende enemikôno abeyambêtê, wabeka isandla entloko, wemka, ehambâ ekâla.

20 Watî u-Abisalom umnakwabo kuye, Ube nawe-na u-Amnon umnakwenu? Kaloku, dade wetû, hlal' utî-tu, ngumnakwenu. Mus'ukuyibekela ntliziyo lento. Wahlala-ke u-Tamare, wasisishwayimbâna endlwini ka-Abisalom umnakwabo.

21 Waziva ukumkani u-Davide zonke ezonto, wavutâ ngumsindo kunene.

22 Akatêtâ nelibi nelilungileyo u-Abisalom ku-Amnon; ngokuba u-Abisalom wamtîya u-Amnon ngalento yokuba emdlwengule u-Tamare udade wabo.

23 Kwatî, emva kwaminyaka emibini, kwabakô abacêbi ku-Abisalom e-Bahalihatsore kwa-Efrayim. U-Abisalom wamema bonke onyana bokumkani.

24 Weza u-Abisalom, watî kukumkani, Uyabona, naba abacêbi kumkônzi wakô. Ukumkani nabakônzi bakê mabahambê nomkônzi wakô.

25 Ukumkani watî ku-Abisalom, Musa, nyana wam, masingayi sonke sibe ngumtwalo kuwe. Wamzama; akavuma ukuya; kodwa wamsikelela.

26 Watî u-Abisalom, Ukuba **akuyi** wena, makakê ahambê nati u-Amnon umkûluwa wam. Watî ukumkani kuye, Ahambêle-nina nawe?

27 U-Abisalom wamzama; wavuma ukuba u-Amnon ahambê naye, nonyana bonke bokumkani.

28 U-Abisalom wawawisela umtêtô amadodana akwake, watî, Kânikângele, xa itê intliziyo ka-Amnon yamnandi yi-wayini, ndaza ndatî kuni, Mbetêni u-Amnon: nombulala, musan' ukoyika; aniwiselwe ndim-na umtêtô? yomelelani nibe ngamaroti.

29 Enza-ke amadodana ka-Abisalom ku-Amnon njengoko u-Abisalom abewawisele umtêtô. Besuka-ke bonke onyana bokumkani; walowo wakwela kundlebende wakê, basaba.

30 Kwatî, besesendleleni, zafika indaba ku-Davide, zisitî, U Abisalom ubabulele bonke onyana bokumkani, akwasala namnye.

31 Wesuka ukumkani, waziřazula ingubo zakê, waqungquluza emhlabeni; bonke abakônzi bakê bemi ngakuye beziřazule ingubo zabo.

32 Wapêndula u-Yonadabi, unyana ka-Shimeha umkûluwa ka-Davide, watî, Mayingatî inkosi yam abulewe onke amadodana angonyana bokumkani; ngokuba kufe u-Amnon yedwa; ngokuba yagqitywa lento ngumlomo ka-Abisalom kususela

Digitized by Google

kwalamini wamdlwengula ngayo u-Tamare udade wabo.

33 Kengoko, nkosi yam kumkani, ungalibekeli ntliziyo elilizwi liti bonke onyana bokumkani bafile. Akunjalo; ngu-Amnon yedwa ofileyo.

34 Wabaleka u-Abisalom. Kekaloku umfana ongumlindi wapâkamisa amehlo akê, wakângela, nanko kusiza into eninzi yabantu, ngendlela esecaleni lentaba, bevela ngasentshonalanga.

35 Watî u-Yonadabi kukumkani, Naba onyana bokumkani besiza; njengoko belinjalo ilizwi lomkônzi wakô, kwenzeke ngokunjalo.

36 Kwatî, akugqiba ukutêtâ, babonakala befika onyana bokumkani, balipâkamisa ilizwi labo, balila; kananjalo ukumkani nabakônzi bake bonke batsho isililo esikûlu kunene.

37 Ke u-Abisalom wabalekela ku-Talemayi unyana ka-Amihudi, ukumkani wase-Geshuri. *U-Davide* wenza isijwili ngonyana wakê yonke imihla.

38 Wabaleka-ke u-Abisalom wafika e-Geshuri, waminyaka mitâtû kôna.

39 U-Davide ukumkani walangazelela ukupûma aye ku-Abisalom, kuba wayeseletûtûzelekile ngo-Amnon kuba efile.

14 Wazi u-Yowabi unyana ka-Tseruya, ukuba intliziyo yokumkani imcâsile u-Abisalom,

2 U-Yowabi watûmela-ke e-Tekowa, watâbatâ kôna inkazana elumkileyo, watî kuyo, Kâuzenze ozilileyo, kâunxibe ingubo zokuzîla, ungazitâmbîsi nge-oli, yiba njengenkazana-le imenzela ofileyo izila imihla emininzi;

3 Uye kukumkani, utêtê kuye wenje nje. U-Yowabi wafaka amazwi emlonyeni wayo.

4 Yatêtâ inkazana yase-Tekowa kukumkani, yawa ngobuso emhlabeni, yaqubuda, yatî, Sindisa, kumkani.

5 Ukumkani watî kuyo, Unandawo-nina? Yatî, Hayi, ndingumhlolokazi, indoda yam ifile;

6 Ikôbokazana lakô belinonyana ababini; balwa bobabini endle, akwabikô mhlanguli pâkatî kwabo; omnye watsho komnye, wambulala.

7 Kekaloku, nanku, wonke umzalwane usukele pêzulu kwikôbokazana lakô, usitî, Sinike umbulali womzalwana wakê, simbulale ngenxa yompêfumlo womzalwana wakê ambuleleyo, sitshabalalise nendlamafa; ukuze bacime ilahle lam eliseleyo, bangayisaliseli indoda yam igama nempunde emhlabeni.

8 Watî ukumkani kwinkazana-leyo, Yiya endlwini yakô, mna ndiya kuwuwisa umtêtô ngenxa yakô.

9 Inkazana yase-Tekowa yatî kukumkani, Nkosi yam kumkani, Mabube pêzu kwam napêzu kwendlu kabawo obobugwenxa; makabe msulwa yena ukumkani ne-trone yakê.

10 Watî ukumkani, Otêtâ into kuwe, mzise kum, akasayi kupînda akucûkumise.

11 Yatî, Ukumkani makê amkûmbûle u-Yehova u-Tîxo wakê, ukuze umpîndezeli wegazi angakwandisi ukonakalisa, bangamtshabalalisi unyana wam. Watî-ke yena, Ehleli-nje u-Yehova, akuyi kuwa nalunye unwele lonyana wakô emhlabeni.

12 Yatî inkazana, Makê litêtê ilizwi ikôbokazana lakô enkosini yam ukumkani. Watî yena, Têtâ.

13 Yatî inkazana-leyo, Yinina-ke ukuba ucinge into enjalo ngabantu baka-Tîxo? Ngokulitêtâ ukumkani elilizwi unjengonetyala, engambuyisi-nje ukumkani, umgxotwa wakê.

14 Ngokuba simelwe kukufa, sinjengamanzi apâleleyo emhlabeni ange nakuhlanganiswa; no-Tîxo akasusi mpêfumlo, ufuna icebo, ukuze angamgxotî kuye umgxotwa.

15 Lento ndize kulitêtâ kukumkani inkosi yam elilizwi, ndenz'ukuba abantuaba bendoyikisile; latî-ke ikôbokazana lakô, Makê nditêtê kukumkani, mhlaumbî ukumkani angalenza ilizwi lomkônzazana wakê.

16 Ngokuba wova ukumkani, amhlangule umkônzazana wakê esandleni salendoda iza kunditshabalalisa mna, kunye nonyana wam elifeni lika-Tîxo.

17 Latî-ke ikôbokazana lakô, Ilizwi lenkosi yam ukumkani malibe lelokupûmza; ngokuba njengoko sinjalo isitûnywa sika-Tîxo, injalo inkosi yam ukumkani ukuva okulungileyo nokubi; u-Yehova u-Tîxo wakô makabe nawe.

18 Wapêndula-ke ukumkani, watî kwinkazana, Mus'ukukê uyikânyele kum into

Digitized by Google

endikubuzayo. Yatí inkazana, Mayikê itêtê inkosi yam ukumkani.

19 Watí-ke ukumkani, Isandla sika-Yowabi asinawe-na kulento yonke? Yapêndula inkazana, yatí, Uhleli-nje umpêfumlo wakô, nkosi yam kumkani, inene, akukô nto ingasekunene nengasekôhlo kukô konke ekutêtâyo inkosi yam ukumkani; ngokuba u-Yowabi umkônzi wakô nguye lo undiwisele umtêtô, nguye lo uwabekileyo emlonyeni wekôbokazana lakô onke lamazwi.

20 Wenze lento umkônzi wakô u-Yowabi, ukuze buguqulwe ubuso balento. Ke, inkosi yam ilumke ngokulumka kwesitûnywa sika-Tíxo, ukuba yazi konke okusemhlabeni.

21 Watí ukumkani ku-Yowabi, Uyabona, ndiyenzile-ke lonto; hambâ uye, umbuyise umfana-lowo u-Abisalom.

22 Wawa-ke u-Yowabi ngobuso emhlabeni, waqubuda, wabulela kukumkani, watí, Namhla wazile umkônzi wakô, ukuba ubabalwe nguwe, nkosi yam kumkani, esenzile-nje ukumkani isicelo somkônzi wakê.

23 Wesuka-ke u-Yowabi, waya e-Geshuri, wamzisa u-Abisalom e-Yerusalem.

24 Watí ukumkani, Makajike aye endlwini yakê, angabuboni ubuso bam. Wajika u-Abisalom, waya endlwini yakê; akabubona ubuso bokumkani.

25 Ke kuma-Sirayeli onke bekungekô ndoda injengo-Abisalom ukuba yinzwana, ngokokuze adunyiswe kunene; kwatâbatêla entendeni yonyawo kwesa elukakayini pêzulu, kungekô sipâko kuye.

26 Ubesitî akuyicêba intloko yakê, (kuba bekusitî ekupeleni komnyaka iminyaka yonke ayicêbe, ngokuba ibinzima pêzu kwakê, ayicêbe-ke,) azilinganise inwele zentloko yakê, zisuke zibe zi-shekele ezimakûlu mabini ngokwelitye lokumkani.

27 U-Abisalom wazalelwa onyana abatâtû, nentombí yanye, igama layo belingu-Tamare, ibiyinzwakazi ukubonakala kwayo.

28 U-Abisalom wahlala e-Yerusalem iminyaka emibini; akabubona ubuso bokumkani.

29 U-Abisalom watûmela ku-Yowabi, ukuba amtûmele kukumkani; akavuma ukuza kuye. Wabuya watûmela okwesibini; akavuma ukuza.

30 Watí kubakônzi bakê, Kângelani intsimi ka-Yowabi ingakweyam, une-fasi kôna; yiyani, niyitshise ngomlilo. Bayitshisa-ke abakônzi baka-Abisalom intsimi ngomlilo.

31 Wesuka u-Yowabi, waya ku-Abisalom, watí kuye, Yinina ukuba abakônzi bakô bayitshise ngomlilo intsimi yam?

32 Watí u-Abisalom ku-Yowabi, Yabona, nditûmele kuwe, *ndisití*, Yiza apâ, ndikutûmele kukumkani, uye kutí, Ndibuyiselwe-nina e-Geshuri? bekundilungele kanye ukuba ndibe bendisekôna. Kaloku mandibubone ubuso bokumkani; ukuba ndinetyala makaselendibulala.

33 Waya-ke u-Yowabi kukumkani, wamxelela. Wambiza u-Abisalom; waya kukumkani, waqubuda kuye ngobuso emhlabeni pâmbí kokumkani; ukumkani wamanga-ke u-Abisalom.

15 Kwatí emveni koko, u-Abisalom wazilungisela inqwelo zokulwa namahashe, namadoda angamashumi amahlanu ukuba abe zigidimi pâmbí kwakê.

2 U-Abisalom wavuka kusasa, wema ngasecaleni lendlela yesango. Ubesitî, bonke abantu abanembâmbâno yokuba kuyiwe kukumkani ngayo ukuba ayigwebe, ababizele kuye u-Abisalom atí akutí, Ungowawupína umzi? Atí yena, Ungowezizwe zakwa-Sirayeli umkônzi wakô.

3 Watí u-Abisalom kuye, Yabona, indawo zakô ezi zilungile zitê-tse; koko akunamntu wokuzitêtâ kukumkani.

4 Atí u-Abisalom, Andaba bendimisiwe ndangumgwebi ezweni apâ, beze kum bonke abantu abanendawo ekuhanjwene ngayo, ngendibalungisa!

5 Ubesitî, akusondela umntu eza kuqubuda kuye, asuke amnike isandla sakê, ambambe, amange.

6 Wenza-ke u-Abisalom ngendawo enjalo kuma-Sirayeli onke, abesiza kukumkani ekugwebeni. Wazibà u-Abisalom intliziyo zamadoda akwa-Sirayeli.

7 Kwatí, ekupêleni kweminyaka emashumi mane, watí u-Abisalom kukumkani, Makê ndiye ndisizalise isibâmbâtíso, endabâmbâtísa ngaso ku-Yehova e-Hebron;

8 Ngokuba umkônzi wakô wabâmbâtísa ngesibâmbâtíso ekuhlaleni kwakê e-Geshuri kwa-Aram, esití, Ukuba u-Yehova utê

Digitized by Google

wandibuyisela ngenene e-Yerusalem: ndomkônza u-Yehova.

9 Watî ukumkani kuye, Hambâ uxolile. Wesuka-ke, waya e-Hebron.

10 U-Abisalom watûmela intlola ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, esitî, Nakuliva izwi lesigodlo, yitîni, U-Abisalom ungukumkani e-Hebron.

11 Kwapûma e-Yerusalem, kwahambâ no-Abisalom amakûlu amabini amadoda amenyiweyo, ayehambâ ngokwengqibelelo yawo, engazi nento.

12 U-Abisalom watûmela, wabiza u-Ahitofele wase-Gilo, umpâkatî ka-Davide, emzini wakê e-Gilo, ebingelela imibingelelo. Laba namandla eloyelenqe; kuba abantu baya besanda ku-Abisalom.

13 Kwafika umntu, wamxelela u-Davide, esitî, Intliziyo zamadoda akwa-Sirayeli zilandele u-Abisalom.

14 Watî u-Davide kubakonzi bakê bonke abe nabo e-Yerusalem, Sukani sibaleke; ngokuba asiyi kuba nakusinda ebusweni buka-Abisalom. Kâulezani simke, hleze akâuleze, asifikele, asihlisele ububi, awuxabele umzi ngohlangotî lweřele.

15 Batî abakonzi bokumkani kukumkani, Entweni yonke, eya kuyinyula inkosi yetû ukumkani, naba bekô abakônzi bakô.

16 Wapûma ukumkani; indlu yakê yonke imlandela. Ukumkani washiya ishumi lamashweshwe, ukuze ayigcine indlu.

17 Wapûma-ke ukumkani; bemlandela abantu bonke; bema e-Bete-meraki.

18 Bonke abakônzi bakê behambâ ecaleni lakê, nabancinitî bonke, nezigidimi zonke, nabase-Gati bonke: amakûlu amatândatû amadoda awaye emlandela evela e-Gati, agqitâ pâmbî kokumkani.

19 Watî ukumkani ku-Itayi wase-Gati, Yinina ukuba nawe uhambê nati? Buya, uhlale nokumkani; ngokuba ungowasemzini, usafudukela-ke endaweni yakô;

20 Ungati ufike izolo-eli ndikubâdulisena namhla, ndikuhambîse natî-na, ndisiya apô ndingaya kôna-nje? Buya, ubuyise abazalwana bakô; inceba nenyaniso ibe nawe.

21 U-Itayi wampêndula ukumkani, watî. Ehleli-nje u-Yehova, ihleli-nje inkosi yam ukumkani, inene, endaweni eya kuba kuyo inkosi yam ukumkani, nokuba kusekufeni, nokuba kusebomini, uya kuba lapô umkônzi wakô.

22 Watî u-Davide ku-Itayi, Hambâ ugqitê-ke. Wagqitâ u-Itayi namadoda ake onke, nosapo lonke abe nalo.

23 Lonke ilizwe lalilila ngezwi elikûlu, bewela abantu bonke; ewela nokumkani emlanjaneni oyi-Kidron; abantu bonke bewela bekângelene nendlela yentlango.

24 Nanko, u-Tsadoki naba-Levi bonke benaye, betwele umkômbê womnqopîso ka-Tîxo, bawubeka pântsi umkômbê ka-Tîxo. Wenyuka u-Abiyatare, bada bagqibelela bonke abantu ukuwela, bepûma kuwo umzi.

25 Watî ukumkani ku-Tsadoki, Wubuyisele kuwo umzi umkômbê ka-Tîxo. Ukuba nditê ndababalwa ngu-Yehova: wondibuyisa, andibonise yena kwa nekâya lakê,

26 Ukuba utê, Andikunanzile: nanku ndikô, makenze kum ngoko kulungileyo emehlweni akê.

27 Watî ukumkani ku-Tsadoki umenzeleleli, Wena mbôni, buyela kuwo umzi unoxolo, no-Ahimahatse unyana wakô, no-Yonatan unyana ka-Abiyatare, onyana benu bobabini kunye nawe.

28 Yabonani, ndozilazila emazibukweni entlango, kude kufike ilizwi elivela kuni lokundixelela.

29 U-Tsadoki no-Abiyatare bawubuyisela umkômbê ka-Tîxo e-Yerusalem, bahlala kôna.

30 U-Davide wenyuka eqineni leminquma, enyuka elila, egqubutêle intloko, ehambâ engenazimbâdada *ezinyaweni zakê;* bonke abantu abe nabo begqubutêle elowo intloko yakê; benyuka, benyuka belila.

31 Kwaxelwa ku-Davide, kwatîwa, U-Ahitofele ukubacebisi baka-Abisalom. Watî u-Davide, Yehova, kâulitshitshise icebo lika-Ahitofele.

32 Kwatî, akuya kufika u-Davide encotsheni apô bekusakuqutyudwa kôna ku-Tîxo, nanko u-Hushayi um-Arki emkâulela eřazule ingubo yakê, enomhlaba entloko.

33 U-Davide watî kuye, Ukuba utê wagqitêla nam, woba ngumtwalo kum;

34 Ke ukuba utê wabuyela kuwo umzi, watî ku-Abisalom, Ndoba ngumkônzi wakô, kumkani; bendifudula ndingumkônzi kayihlo, ngoko ndingumkônzi wakô: wonditshitshisela-ke icebo lika-Ahitofele.

35 Abanawe-na apô u-Tsadoki no-Abiya-

Digitized by Google

tare abenzeleleli? Kotí-ke, yonke into otê wayiva endlwini yokumkani, uyixele ku-Tsadoki no-Abiyatare abenzeleleli.

36 Yabona, bakô kôna nabo onyana babo bobabini: u-Ahimahatse oka-Tsadoki, no-Yonatan oka-Abiyatare; nolitûmela ngesandla sabo kum lonke ilizwi enitê naliva.

37 Waya-ke u-Hushayi, umhlobo ka-Davide kuwo umzi; u-Abisalom weza e-Yerusalem.

16 U-Davide egqitîle kancinane encotsheni yenduli, nanko u-Tsiba umfana wakwa-Mefiboshete emkâulela, enama-esile amabîni ebotshiwe, ebekwe izonka ezimakûlu mabini, nekûlu lezicumbâ ze-rasintyisi, nekûlu leziqâmo zasehlotyeni, nentsuba ye-wayini.

2 Watî ukumkani ku-Tsiba, Utî-nina ngezizinto? Watî u-Tsiba, Ama-esile ngawokukwela abendlu yokumkani, izonka neziqâmo zasehlotyeni zezokudliwa ngamadodana; i-wayini yeyokuba basele abatyâfileyo entlango.

3 Watî ukumkani, Upîna unyana wenkosi yakô? Watî u-Tsiba kukumkani, Nankuya, ehleli e-Yerusalem; ngokuba utî, Namhla indlu yakwa-Sirayeli iya kububuyisela kum ubukumkani bukabawo.

4 Watî ukumkani ku-Tsiba, Nanko, kukokwakô konke okuka-Mefiboshete. Watî u-Tsiba, Ndiyaqubuda; mandibabalwe nguwe, nkosi yam kumkani.

5 Wafika ukumkani u-Davide e-Bahurim, nanko, kupûma kôna indoda yomzalwane wendlu ka-Saule, egama lingu-Shimehi, unyana ka-Gera; yapûma yahamb' itshabîsa.

6 Yamxuluba ngamatye u-Davide, nabakônzi bonke bokumkani u-Davide; bonke abantu namagoña onke bebe ngasekunene nangasekôhlo kuye.

7 Watî u-Shimehi ukutshabîsa kwakê, Pûma, pûma, mfondini wamagazi, mfondini ulitshijolo;

8 U-Yehova uwabuyisele pêzu kwakô onke amagazi endlu ka-Saule, otê wena wangukumkani esikûndleni sakê; u-Yehova ubunikele ubukumkani esandleni sika-Abisalom unyana wakô. Yabona, weyele ebubini bakô, ngokuba ungumfo wamagazi.

9 Watî-ke u-Abishayi unyana ka-Tseruya kukumkani, Kunganina ukuba lenja ifileyo iyitshabîse inkosi yam ukumkani? makê ndiwele, ndiyinqumle intloko.

10 Watî ukumkani, Yinto-nina enam nani, nina nyana baka-Tseruya? Myeke atshabîse, xa u-Yehova atê kuye, Mtshabîse u-Davide, ngubanina oya kutî, Yinina ukuba wenje njalo?

11 Watî u-Davide ku-Abishayi nakubakônzi bakê bonke, Niyabona, unyana wam opûme ezibilinini zam unxâmela umpêfumlo wam, angabeka pîna-ke ngoku lom-Benyamin; myekeni atshabîse; ngokuba utshilo kuye u-Yehova.

12 Mhlaumbi u-Yehova angabukângela ubugwenxa bam, u-Yehova andibuyisele okulungileyo esikûndleni sokutshabîswa kwam namhla.

13 U-Davide wahambâ ngendlela namadoda akê; u-Shimehi ehambâ ecaleni lentaba elilunge naye, engapêsheya, wahambâ etshabîsa, wamxuluba ngamatye emalunga naye, empôsa notûli.

14 Ukumkani nabantu bonke aba naye beza e-Ayefim, bakê bapêfumla kôna.

15 Kekaloku u-Abisalom nabantu bonke, amadoda akwa-Sirayeli, beza e-Yerusalem, beno-Ahitofele.

16 Kwatî, akufika u-Hushayi wase-Arki, umhlobo ka-Davide, ku-Abisalom, watî u-Hushayi ku-Abisalom, Makadle ubomi ukumkani, makadle ubomi ukumkani.

17 Watî u-Abisalom ku-Hushayi, Yinceba yakô-na le kumhlobo wakô? Yinina ukuba ungahambî nomhlobo wakô?

18 Watî u-Hushayi ku-Abisalom, Hayi, onyulwe ngu-Yehova nangababantu, nangamadoda onke akwa-Sirayeli, ndoba ngowakê mna, ndihlale naye mna.

19 Kanamjalo bendifanele ukukônza banina? Bendingafanele kukônza pâmbî konyana wakê-na? Njengoko ndakônzayo pâmbî koyihlo, ndiya kwenje njalo pâmbî kwakô.

20 Watî u-Abisalom ku-Ahitofele, Rolani iqîngа ukuba siya kwenza nto-nina.

21 Watî u-Ahitofele ku-Abisalom, Ngena kumashweshwe kayihlo, awashiyileyo ukuba agcine indlu, eve onke ama-Sirayeli, ukuba uzinukisile kuyihlo, zomelele izandla zabo bonke abanawe.

22 Bamtwabululela u-Abisalom in-tente pêzu kwendlu; wangena u-Abisalom kumashweshwe oyise emehlweni ama-Sirayeli onke.

Digitized by Google

23 Kekaloku icebo lika-Ahitofele, abecebisa ngalo ngalomihla, belinjengokubuza kwilizwi lika-Tixo, belinjalo lonke icebo *lika*-Ahitofele ku-Davide naku-Abisalom.

17 Watí u-Ahitofele ku-Abisalom, Makê ndinyule ishumi lamawaka elinamawaka amabini amadoda, ndisuke, ndimsukele u-Davide ngobubusuku,
2 Ndimfikele ediniwe, ewé izandla, ndimotûse; basabe bonke abantu anabo; ndibulale ukumkani yedwa;
3 Ndibabuyisele kuwe bonke abantu; indoda-leyo ufuna yona injengokungatí babuye bonke; boxola bonke abantu.
4 Lalunga elozwi emehlweni ka-Abisalom, nasemehlweni amadoda amakûlu onke akwa-Sirayeli.
5 Watí u-Abisalom, Kâubize no-Hushayi wase-Arki, sive into esemlonyeni wakê naye.
6 Weza u-Hushayi ku-Abisalom; wati u-Abisalom kuye, U-Ahitofele utêtê elilizwi wenje-nje. Senze ngelizwi lakê, singenzi ngalo kusinina? kâutsho wena.
7 Watí u-Hushayi ku-Abisalom, Icebo u-Ahitofele acebisa lona alilungile okwangoku.
8 Watí u-Hushayi, Wena uyamazi uyihlo namadoda akê, ukuba ngamagoña ampêfumlo ulugcalagcala, njenge-bere ehlutwe amatôle ayo ezindle; uyihlo yindoda eqêl'ukulwa, akalali ebantwini.
9 Yabona, kungoku-nje uzimele emgongxweni, nokuba kukwenye indawo; kotí-ke, xa atê wabawela ekuqaleni, eve ovayo, atí, Kukô uxabelo ebantwini abamlandelayo u-Abisalom;
10 Átí nomfo onobuñoti, ontliziyo injengentliziyo yengonyama, anyibilike kupêle; ngokuba onke ama-Sirayeli ayazi, ukuba uyihlo ligoña, abo banaye ngamañoti.
11 Ndití elam icebo, makahlanganiswe ahlanganiselwe kuwe onke ama-Sirayeli, atâbatêle e-Dan ese e-Ber-sheba, abe njengentlabatí engaselwandle ubuninzi, uye emfazweni ngesiqu.
12 Sofika-ke kuye endaweni, apô afumaneke kôna, sitî-qatâ pêzu kwakê njengokulala kombetê emhlabeni, kungasali namnye kuye nakumadoda onke anaye.
13 Ke ukuba utê warôlela emzini, onke ama-Sirayeli ozisa izintya kulomzi, siwutwiqele emlanjaneni, kude kungafumaneki nelityana kôna.
14 Watí u-Abisalom namadoda onke akwa-Sirayeli, Icebo lika-Hushayi um-Arki lilungile kunecebo lika-Ahitofele. U-Yehova wayemise ukuba litshitshiswe icebo elilungileyo lika-Ahitofele, ukuze u-Yehova amzisele ububi u-Abisalom.

15 Watí u-Hushayi ku-Tsadoki naku-Abiyatare abenzeleleli, Wenje-nje, wenje-nje u-Ahitofele ukumpâ icebo u-Abisalom namadoda amakûlu akwa-Sirayeli; ke mna ndenje-nje ndenje-nje ukubapâ icebo.
16 Tûmelani-ke ngoko kamsinya, nimxelele u-Davide, nití, Mus' ukulala ngobubusuku emazibukweni entlango; kâuleza uwele, hleze aginywe ukumkani nabantu bonke anabo.
17 Kekaloku u-Yonatan no-Ahimahatse babemi e-En ye-Rogele; laye ikôbokazana beliman'ukubaxelela; baya-ke bona baxelele ukumkani u-Davide; ngokuba bebengo nakuya besiza pâkatí komzi ekuhleni.
18 Umfana wababona, waxelela u-Abisalom. Bobabini-ke basaba ngokukâuleza, bafika endlwini yendoda e-Bahurim ebinequla entendelezweni yayo, behla, behlela kôna apô.
19 Intokazi yatâbatâ isigqubutêlo, yatwabulula emlonyeni wequla-elo, yaneka pêzu kwaso i-fasi enqûshiweyo; ayaziwa-ke lonto.
20 Bafika abakônzi baka-Abisalom kulontokazi endlwini, batí, Bapína o-Ahimahatse no-Yonatan? Yatí lontokazi kubo, Bawele umlanjana-lo unamanzi. Bafunake, ababafumana; babuyela e-Yerusalem.
21 Kwatí emva kokumka kwabo, bapûma equleni, baya bamxelela ukumkani u-Davide; batí ku-Davide, Sukani niwele kamsinya emanzini; ngokuba wenje-nje u-Ahitofele ukubapâ icebo ngani.
22 Wesuka-ke u-Davide nabantu bonke anabo, bayiwela i-Yordan; kwatí kusasa kwabe kungasekô namnye ungayiwelanga i-Yordan.
23 Ebonile u-Ahitofele ukuba akwenziwanga ngecebo lakê, wabopâ i-esile, wesuka, wagoduka, waya emzini wakê, wayolela, wazirwitsha wafa; wancwatyelwa encwabeni loyise.

24 U-Davide wafika e-Mahanayim; u-Abisalom wayiwela i-Yordan, yena namadoda onke akwa-Sirayeli kunye naye.
25 U-Abisalom wammisa u-Amasa esi-

Digitized by Google

kûndleni sika-Yowabi pêzu komkôsi. Ke, u-Amasa ebe ngunyana wendoda egama lingu-Itra, engum-Yizereli, eyangena ku-Abigali intombi ka-Nahashe, udade bo-Tseruya, unina bo-Yowabi.

26 Ama-Sirayeli no-Abisalom bamisa ezweni lase-Giliyadi.

27 Kwatî, akufika u-Davide e-Mahanayim, u-Shobi unyana ka-Nahashe wase-Raba yakonyana baka-Amon, no-Makire unyana ka-Amiyeli wase-Lo-debare, no-Barzilayi wase-Giliyadi wase-Rogelim,

28 Bazisa inkuko, nezitya, nemipânda, nenqôlowa ne-fasi, nomgubo, namakŵeba, nem-bôtyi, nentlumaya, nezinye izinto ezigcadiweyo,

29 Nobusi, namasi, nempahl' emfutshane, nezonka zamasi enkomo, ku-Davide nabantu abe nabo, ukuze badle; kuba babesitî, Abantu balambîle batŷafile, banxaniwe entlango.

18 U-Davide wababala abantu abe nabo, wamisa abatêtêli-mawaka nabatêtêli-makûlu pêzu kwabo.

2 U-Davide wasinikela isahlulo sesitâtû sabantu esandleni sika-Yowabi, nesahlulo sesitâtû esandleni sika-Abishayi unyana ka-Tseruya, umninawa ka-Yowabi, nesahlulo sesitâtû esandleni sika-Itayi wase-Gati. Watî ukumkani ebantwini, Nam ndiya kupûma ndipûme nani.

3 Batî abantu, Uz'ungapûmi; ngokuba xa sitê sasaba sisabile, abayi kusibekela ntliziyo tîna; nokuba kutê kwafa isiqingatâ kutî abayi kusibekela ntliziyo; ngokuba ungangamawaka alishumi kutî; kulungile kanye ukuba usincede, ukuwo umzi.

4 Watî ukumkani kubo, Okulungileyo emehlweni enu ndokwenza. Ukumkani wema ecaleni lesango, abantu bonke bapûma ngamakûlu nangamawaka.

5 Ukumkani wabawisela umtêtô u-Yowabi no-Abishayi no-Itayi, watî, Mpâtêni kakuhle umfana u-Abisalom ngenxa yam. Beva bonke abantu ukubawisela kukakumkani umtêtô abatêtêli ngenxa ka-Abisalom.

6 Bapûma-ke abantu, baya ezindle, bawahlangabeza ama-Sirayeli; kwaliwa ehlatini lakwa-Efrayim;

7 Babulalelwa kôna abantu bakwa-Sirayeli pâmbî kwabakonzi baka-Davide; ngalomini kwabakô kôna uxabelo olukûlu: amawaka angamashumi omabini.

8 Kwa pângalala kôna ukulwa pêzu kwelizwe lonke; ihlatî ladla ebantwini into eninzi ngapêzu kokudla kwetele ngalomini.

9 U-Abisalom waqubisana nabakônzi baka-Davide. U-Abisalom ekŵele kundlebende; undlebende wangena pântsi kwentshinyela yomkôba omkûlu; yabambêka emkôbeni intloko yakê, wapâkatî kwezulu nomhlaba; wemka undlebende obe pântsi kwakê.

10 Yabona indoda etîle, yamxelela u-Yowabi, yatî, Kângela, ndimbonile u-Abisalom exômekekile emkôbeni.

11 Watî u-Yowabi kulondoda imxeleleyo, Kângela, umbonile-nje, ibiyinina ukuba ungambêtî awe kôna emhlabeni, ngendikunike ishumi le-silivere nombînqo.

12 Yatî londoda ku-Yowabi, Ndingafanelana ndilinganiselwe esandleni sam iwaka le-silivere, bendingede ndise isandla sam kunyana wokumkani; ngokuba ukumkani sisiva wakuwisela umtêtô wena no-Abishayi no-Itayi, watî, Nokuba ngobani, ize bamgcine umfana u-Abisalom.

13 Okanye ukuba benditê ndenza ubuxoki empêfumlweni wakê—kuba kungekê nto ikânyelekayo kukumkani—wena ubuya kundicâsa.

14 Watî u-Yowabi, Andinakwenje-nje ndilibale nguwe. Watâbatâ izikâli zazitâtû ngesandla sakê, wamhlaba u-Abisalom entliziyweni, esaplile emkôbeni apô.

15 Amfaula amadodana alishumi angababâtî bempahla ka-Yowabi, atsho ku-Abisalom, ambulala.

16 Wavutêla u-Yowabi isigodlo, babuya abantu ekuwasukeleni ama-Sirayeli; ngokuba u-Yowabi wabanqanda abantu.

17 Bamtâbatâ u-Abisalom, bampôsa ehlatîni emgongxweni omkûlu, bafumbâ imfumbâ enkulu kakûlu yamatye pêzu kwakê. Asaba onke ama-Sirayeli, elowo waya en-tenteni yakê.

18 Kekaloku u-Abisalom ekudleni kwakê ubomi wayetâbatê wazimisela isimiso esisentilini yokumkani; ngokuba ubesitî, Andinanyana wokulikûmbûza igama lam; wasibiza ngegama lakê esosimiso: sibizwa ngokutî sisalatîso sika-Abisalom unanamhla.

19 Watî u-Ahimahatse unyana ka-Tsadoki, Mandigidime, ndimshumayeze uku-

Digitized by Google

mkani indaba ezilungileyo zokuba u-Yehova umgwebele wamkûlula ezandleni zentshaba zakê.

20 Watî u-Yowabi kuye, Akunguye umfo wendaba ezilungileyo namhla, woshumayela indaba ezilungileyo ngenye imini; kodwa namhla akusokushumayela zindaba zilungileyo, ngokuba unyana wokumkani ufile.

21 Watî u-Yowabi ku-Kushi, Hamb'uye kumxelela ukumkani okubonileyo. Waqubuda u-Kushi ku-Yowabi, wagidima-ke.

22 Wabuya wapînda u-Ahimahatse unyana ka-Tsadoki, watî ku-Yowabi, Nokuba kutêni, makê ndimlandele nam u-Kushi, Watî u-Yowabi, Yinina ukuba ugidime, nyana wam, ungenazindaba zilungileyo zinanzuzo-nje?

23 Nokuba kutê-ni, mandigidime. Watî kuye, Gidima. Wagidima-ke u-Ahimahatse ngendlela yalommandla, wegqitâ ku-Kushi.

24 Ke u-Davide ebehleli pâkatî kwamasango amabini; umlindi waya empêzulwini wesango eludongeni, wapâkamisa amehlo akê, wakângela, nanko, kusiza indoda ibaleka iyodwa.

25 Wamemeza umlindi, waxelela ukumkani. Watî ukumkani, Ukuba iyodwa, inendaba ezilungileyo emlonyeni wayo. Yeza isiza yasondela.

26 Umlindi wabona enye indoda ibaleka; umlindi wamemeza esangweni, watî, Nantsiya, indoda ibaleka iyodwa. Watî ukumkani, Naleyo ingumshumayeli wendaba ezilungileyo.

27 Watî umlindi, Ndikubona ukubaleka kwepâmbîli kufana nokubaleka kuka-Ahimahatse unyana ka-Tsadoki. Watî ukumkani, Yindoda elungileyo leyo, iza nendaba ezilungileyo.

28 Wamemeza u-Ahimahatse, watî kukumkani, Hlala kakuhle. Waqubuda ngobuso emhlabeni kukumkani, watî, Makabongwe u-Yehova u-Tîxo wakô, owanikeleyo amadoda asipâkamisileyo isandla sawo enkosini yam ukumkani.

29 Watî ukumkani, Ihleli kakuhle-na indodana u-Abisalom? Watî u-Ahimahatse, Ndibone ingxokolo enkulu, ekumtûmeni kuka-Yowabi umkônzi kakumkani, nomkônzi wako lo, ndingazi ukuba yintonina.

30 Watî ukumkani, Shenxela ecaleni ume apâ. Washenxa wema.

31 Nanko-ke, u-Kushi efika. Watî u-Kushi, Mayishunyayezwe indaba ezilungileyo inkosi yam ukumkani; ngokuba u-Yehova ukugwebele namhla, wakukûlula esandleni sabo bonke ababesukele pêzulu kuwe.

32 Watî ukumkani ku-Kushi, Ihleli kakuhle-na indodana u-Abisalom? Watî u-Kushi, Intshaba zenkosi yam ukumkani, nabo bonke abasukele pêzulu kuwe ukukwenza into embî, mabube njengalondodana.

33 Wagungqa ukumkani; wenyuka waya egumbîni elipêzu kwesango, walila, watêtâ ekuyeni kwakê, esitî, Nyana wam, Abisalom, nyana wam, nyana wam, Abisalom! Akwaba bekufe mna esikûndleni sakô, Abisalom, nyana wam, nyana wam!

19 Kwaxelwa ku-Yowabi, kwatîwa, Nanko, ukumkani elila, esenza isijwili ngo-Abisalom.

2 Usindiso lwajika lwaba sisijwili ngalomini ebantwini bonke; ngokuba abantu beva ngalomini, kusitîwa, Ukumkani wenza isijwili ngonyana wakê.

3 Abantu banyebeleza ngalomini ukungena kwabo pâkatî komzi, njengokunyebeleza kwabantu abazihlazisileyo ngokusaba ekulweni.

4 Ke ukumkani wazigqubutêla ubuso, wahlahlambâ ukumkani ngezwi elikûlu, watî, Nyana wam Abisalom, Abisalom, nyàna wam, nyana wam!

5 Weza u-Yowabi kukumkani endlwini, watî, Ubudanisile namhla ubuso babakônzi bakô bonke, abawusindisileyo namhla umpêfumlo wakô, nompêfumlo wonyana bakô nowentombî zakô, nompêfumlo wabafazi bakô, nompêfumlo wamashweshwe akô,

6 Ngokubatânda abakutîyayo, nangokubatîya abakutândayo. Ngokuba uxelile namhla, ukuba abanto kuwe abatêtêli nabakônzi; ngokuba ndazile namhla, ukuba ngekulungile emehlweni akô, ukuba ubetê wadla ubomi u-Abisalom; tîna safa sonke sapêla.

7 Vuka kaloku, upûme, utêtê kakuhle nabakonzi bakô; ngokuba ndifunga u-Yehova, ukuba akutânga upûme: inene, akuyi kuhlala mntu nawe ngobubusuku; kube kubi kuwe oko ngapêzu kobubi bonke

Digitized by Google

obukufikeleyo, kutâbatêla ebuncinananeni bakô kuzise kwelixesha.

8 Wavuka-ke ukumkani, wahlala esangweni; kwaxelwa ebantwini bonke, kwatîwa, Nanko, ukumkani ehleli esangweni; beza-ke bonke abantu pâmbî kokumkani.

Ke ama-Sirayeli abesabile, elowo waya en-tenteni yakê.

9 Abantu bonke babepîkisana ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, besitî, Ukumkani wasisiza esandleni sentshaba zetû, wasisindisa esandleni sama-Filisti; ngoku ubalekile kwelilizwe ngenxa ka-Abisalom;

10 Ke u-Abisalom, esamtâmbîsayo ukuba abe pêzu kwetû, ufele emfazweni; kengoko nitêle-cwaka nina, ningambuyisi ukumkani?

11 Kekaloku ukumkani u-Davide watûmela ku-Tsadoki naku-Abiyatare abenzelele, watî, Têtâni kumadoda amakûlu akwa-Yuda, nitî, Yinina ukuba nibe ngabokugqibela ekumbuyiseleni endlwini yakê ukumkani? intetô yama-Sirayeli onke ifikile-nje kukumkani endlwini yakê.

12 Ningabazalwana bam, nilitâmbô lam, nenyama yam; yinina ukuba nibe ngabokugqibela ekumbuyiseni ukumkani?

13 Nitî-ke ku-Amasa, Akulilo itâmbô lam nenyama yam-na? U-Tîxo makenje-nje kum, aqokele ukwenje-nje, ukuba akutê waba ngumtêtêli womkôsi pâmbî kwam yonke imihla esikûndleni sika-Yowabi.

14 Wayitsala intliziyo yamadoda onke akwa-Yuda njengendod' enye; atûmela kukumkani atî, Buya wena, nabakônzi bakô bonke.

15 Wabuya-ke ukumkani, wafika e-Yordan. Ke ama-Yuda afika e-Giligali, esiya kumkâulela ukumkani, amweze ukumkani e-Yordan.

16 U-Shimehi unyana ka-Gera, um-Benyamin wase-Bahurim, wakâuleza, wehla namadoda akwa-Yuda, esiya kumkâulela ukumkani u-Davide;

17 Enewaka lamadoda akwa-Benyamin, no-Tsiba umkônzi wendlu ka-Saule, nonyana bakê abalishumi elinabahlanu, nabakônzi bakê abangamashumi amabini kunye naye, bapûmela e-Yordan pâmbî kokumkani.

18 Kwawela umkômbê wokuweza, ukuba uyiweze indlu yokumkani, wenze okulungileyo emehlweni akê. U-Shimehi unyana ka-Gera wawa pâmbî kokumkani ekuweleni kwakê e-Yordan,

19 Watî kukumkani, Inkosi yam mayingabaleli bugwenxa kum, ungakukûmbûli oko wakwenzayo umkônzi wakô ngobugwenxa, ngalamini yapûma ngayo inkosi yam ukumkani e-Yerusalem, ukuba ukumkani akubekele intliziyo oko.

20 Ngokuba umkônzi wakô lo uyazi, ukuba wôna ngalanto; nanku, ndingowokuqala ofikileyo namhla wasendlwini yonke ka-Yosefu, ukuba ndihle ndiyikâulele inkosi yam ukumkani.

21 Wapêndula u-Abishayi unyana ka-Tseruya, watî, U-Shimehi akayi kubulawa-na ngalanto; ngokuba wamtshabîsayo umtânjiswa ka-Yehova?

22 Watî u-Davide, Yinto-nina enam nani, nina nyana baka-Tseruya, ngokuba ningabacâsi bam namhla? Kukô mntu-na kwa-Sirayeli apâ uya kubulawa namhla? ngokuba andazi yinina, ukuba ndingukumkani kwa-Sirayeli namhla-nje?

23 Watî ukumkani ku-Shimehi, Akuyi kufa. Ukumkani wamqinisisa ngesifungo.

24 Ke u-Mefiboshete unyana ka-Saule wehla waya kumkâulela ukumkani, engazihlambânga inyawo zakê, engazicâzanga indevu zakê, engazihlambânga nengubo zakê, kususela kwimini yokumka kokumkani kwada kwayimini yokufika kwakê enoxolo.

25 Kwatî, ekufikeni kwakê e-Yerusalem, eza kukâulela ukumkani, watî ukumkani kuye, Ibiyinina ukuba ungahambî nam, Mefiboshete?

26 Watî, Nkosi yam kumkani, umkônzi wam lowa undikôhlisile; ngokuba umkônzi wakô lo undim ubesitî, Ndiya kuzibopêla i-esile, ndikwele kulo, ndihambê nokumkani; ngokuba umkônzi wakô lo undim usisiqwala.

27 Wesuka yena wamhleba umkônzi wakô lo undim enkosini yam ukumkani. Inkosi yam ukumkani injengesitûnywa sika-Tîxo; yenza okulungileyo emehlweni akô.

28 Ngokuba yonke indlu kabawo ibingento yimbî enkosini yam ukumkani, ibingabantu bokufa, wena wambeka umkônzi wakô lo undim pâkatî kwabadla e-tafileni yakô. Ndisenabango linina-ke, ndisenakukâla nganto-nina kukumkani?

Digitized by Google

29 Watî ukumkani kuye, Usatêtêla ntonina ngendawo zakô? Nditê, Yahlulelanani ngomhlaba lowo wena no-Tsiba.
30 Watî u-Mefiboshete kukumkani, Makawutâbatê wonke, iselifikile-nje inkosi yam ukumkani inoxolo endlwini yayo.

31 U-Barzilayi wase-Giliyadi wehla e-Rogelim, wawela nokumkani e-Yordan, ukuba amkâpêle pêsheya kwe-Yordan.
32 Ke u-Barzilayi ebe yingwevu enkulu, eminyaka imashumi asibôzo ezelwe; yena ebemxâsile ukumkani ekuhlaleni kwakê e-Mahanayim; ngokuba ebe ngumntu omkûlu kunene.
33 Watî ukumkani ku-Barzilayi, Wela nam wena, ndikuxâse ukum e-Yerusalem.
34 Watî u-Barzilayi kukumkani, Mingapîna imihla yeminyaka yokudla kwam ubomi, ukuba ndinyuke ndiye e-Yerusalem nokumkani?
35 Namhla ndiminyaka imashumi asibôzo ndizelwe, ndinakô-na ukwazi okulungileyo kokubi? Unako-na umkônzi wakô lo ukuyiva into ayidlayo nayiselayo? Ndisenakô-na ukuva izwi lemvumi nemvumikazi? Yinina ukuba umkônzi wakô lo abuye abe ngumtŵalo kwinkosi yam ukumkani?
36 Umkônzi wakô lo uya kuyiwela-ke i-Yordan nokumkani umzuzwana; yinina ukuba ukumkani andipâtê ngalempâtô?
37 Makê abuye umkônzi wakô lo, ukuze ndifele emzini wam, ngasencŵabeni lobawo nomâ. Nanko umkônzi wakô u-Kimham, makuwele yena nenkosi yam ukumkani, umenzele okulungileyo emehlweni akô.
38 Watî ukumkani, U-Kimham wowela nam, ndimenzele mna okulungileyo emehlweni akô, nento yonke otê wayinyula, wayibeka pêzu kwam, ndokwenzela.
39 Bawela-ke bonke abantu e-Yordan. Ewelile ukumkani, ukumkani wamanga u-Barzilayi, wamsikelela; waza wabuyela endaweni yakê.

40 Wawela-ke ukumkani, waya e-Giligali, wawela-ke naye u-Kimham; bonke abantu bakwa-Yuda bamweza ukumkani, kwa nesiqingatâ sabantu bakwa-Sirayeli.
41 Nanko kusiza onke amadoda akwa-Sirayeli kukumkani, atî kukumkani, Yinina ukuba abazalwana betû, amadoda akwa-Yuda, bambê, bamweze ukumkani nendlu yakê e-Yordan, enamadoda onke ka-Davide?
42 Apêndula onke amadoda akwa-Yuda kumadoda akwa-Sirayeli, atî, Kungokuba ukumkani esalamana natî; yinina ukuba nivutê ngumsindo ngalendawo? sikê sadla nto-na kukumkani? sikê sapîwa nto-na?
43 Apêndula amadoda akwa-Sirayeli kumadoda akwa-Yuda, atî, Sinezahlulo ezilishumi tîna kukumkani, naku-Davide sinokungapêzu kwenu; yinina ukuba nisicukuceze, ilizwi letû lokumbuyisa ukumkani wetû belingaqale kutî yinina? Laba lukûni ilizwi lamadoda akwa-Yuda kunelizwi lamadoda akwa-Sirayeli.

20 Kwatî-gaxa kôna indoda elitshijolo, egama lingu-Sheba, unyana ka-Bikri, um-Benyamin. Yavutêla isigodlo, yatî, Asinasabelo tîna ku-Davide, asinalifa kunyana ka-Isayi; yiyani, elowo ezin-tenteni zenu, ma-Sirayeli.
2 Enyuka-ke onke amadoda akwa-Sirayeli emka ekumlandeleni u-Davide, alandela u-Sheba unyana ka-Bikri; ke amadoda akwa-Yuda anamatêla kukumkani wawo, etâbatêla e-Yordan esa e-Yerusalem.

3 Weza u-Davide endlwini yakê e-Yerusalem; ukumkani wabatâbatâ abafazi bakê abalishumi abangamashweshwe, abebashiyile ukuba bagcine indlu, wababeka endlwini yogcino, wabaxâsa, akangena kubo. Bavalelwa-ke yada yaba yimini yokufa kwabo, behleli bengabahlolokazi.

4 Watî ukumkani ku-Amasa, Ndihlabele umkôsi kumadoda akwa-Yuda ngemihla emitâtû, ubekô nawe apâ.
5 U-Amasa waya kuwahlabela umkôsi ama-Yuda, walibala ngapêzu kwexesha abemiselwe lona.
6 Watî u-Davide ku-Abishayi, Kungokunje u-Sheba unyana ka-Bikri uya kusenzela ububi ngapêzu ko-Abisalom; batâbatê wena abakônzi benkosi yakô, umsukele, hleze afumane imizi enqatyisiweyo, asizimele.
7 Apûma amlandela amadoda ka-Yowabi, nabancinitî nezigidimi, namagoŕa onke; bapûma-ke e-Yerusalem, baya kumsukela u-Sheba unyana ka-Bikri.
8 U-Amasa weza kubo besetyeni elikûlu

Digitized by Google

elise-Gibeyon. Ke u-Yowabi ubeyibînqile ingubo yakê yokulwa, umbînqo wefele unxitywe ngapêzu kwayo esinqeni sakê, lisesinxôbeni salo; sancotûka-ke, lawa *ifele;*

9 Watî u-Yowabi ku-Amasa, Usahleli kakuhle-na, mzalwana wam? U-Yowabi wambambâ u-Amasa ngendevu ngesandla sokunene ukuba amange.

10 Ke u-Amasa ubengalilumkele ifele ebelisesandleni sika-Yowabi; wamhlaba ngalo esiswini, wampâlaza izibilini emhlabeni, akapînda amhlabe; wafa. U-Yowabi no-Abishayi umzalwana wakê bamsukela u-Sheba unyana ka-Bikri.

11 Kwema enye kumadodana akwa-Yowabi ngakuye, yatî, Ubani ononelele u-Yowabi, nongaku-Davide, makamlandele u-Yowabi.

12 U-Amasa watyikatyikeka egazini emendweni. Yabona indoda-leyo, ukuba abantu bonke batê-nqumama, yamsusa u-Amasa emendweni, yamshenxisela ecaleni, yapôsa ingubo pêzu kwakê; ngokokuba ibibona beman'ukutî-nqumama bonke abafika kuye.

13 Akususwa-ke emendweni, onke amadoda egqitâ, alandela u-Yowabi, asukela u-Sheba unyana ka-Bikri.

14 Wacanda ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, waya e-Abela nase-Bete-mahaka; namadodana onke abizelwa ndawonye, eza amlandela nawo.

15 Bafika bamngqinga e-Abele-bete-mahaka, bawufumbêla udonga lokungqinga umzi lowo, lwema pêzu komsele wonqâmeko; baye bonke abantu ababe no-Yowabi beluqûqâ, ukuze udonga lomzi luwe.

16 Kwamemeza intokazi elumkileyo ikulomzi, yatî, Yivani, yivani; kânitî ku-Yowabi, Sondela apâ, nditêtê nawe.

17 Wasondela-ke kuyo; yatî lontokazi, Ungu-Yowabi-na? Watî, Ndinguye. Yatî kuye, Pûlapûla amazwi omkônzazana wakô. Watî, Ndiyeva.

18 Yatsho yatî, Kwakufudula kusitîwa, Ukubuza makubuzwe e-Abele, benjenjalo ukuyifeza into.

19 Ndingowabaxolileyo abatêmbekileyo kwa-Sirayeli; ke ufuna ukubulala umzi ongunozala kwa-Sirayeli; yinina ukuba uliginye ilifa lika-Yehova?

20 Wapêndula u-Yowabi, watî, Makube lê makube lê kum, ukuba ndiginye nokuba ndonakalise.

21 Hayi akunjalo; kusuke indoda yasezintabeni zakwa-Efrayim, engu-Sheba ngegama, unyana ka-Bikri, yasipâkamisa isandla sayo kukumkani ku-Davide; kûpâni yona yodwa, ndomka kulomzi. Yatî lontokazi ku-Yowabi, Yabona, intloko yayo iya kugityiselwa kuwe pêzu kodonga.

22 Yaya lontokazi kubantu bonke ngobulumko bayo. Bayinqumla-ke intloko ka-Sheba unyana ka-Bikri, bayigibîsela ku-Yowabi. Wavutêla isigodlo, bapângalala bemka kulomzi, elowo waya en-tenteni yakê. U-Yowabi wabuyela e-Yerusalem kukumkani.

23 Kekaloku u-Yowabi wawupâtâ wonke umkôsi wakwa-Sirayeli; u-Benaya unyana ka-Yehoyada wapâtâ abancinitî nezigidimi.

24 U-Adoram wapâtâ abafakwe uviko; u-Yehoshafati unyana ka-Ahiludi ube ngumkûmbûzi wezinto zakomkûlu.

25 U-Sheva ube ngumbâli; u-Tsadoki no-Abiyatare bebe ngabenzeleleli.

26 Kananjalo u-Ira wase-Yahire ube ngumenzeleleli ku-Davide.

21 Ke kwabakô indlala ngemihla ka-Davide iminyaka yamitâtû, umnyaka ngomnyaka. U-Davide wafuna ubuso buka-Yehova. Watî u-Yehova, Kungenxa ka-Saule nangenxa yendlu yamagazi akê ngenx' enokuba wabulala abase-Gibeyon.

2 Ukumkani wababiza-ke abase-Gibeyon, watî kubo, (kekaloku abase-Gibeyon bebenge ngabonyana baka-Sirayeli, bebe ngamaqongqolo ama-Amori; onyana baka-Sirayeli bebewaqinisise ngesifungo; u-Saule wafuna ukuwabulala ngokuzondelela kwakê ama-Sirayeli nama-Yuda;)

3 Watî-ke u-Davide kwabase-Gibeyon, Ndinenzele nto-nina? ndicamagushe nganto-nina, ukuze nilisikelele ilifa lika-Yehova?

4 Batî abase-Gibeyon kuye, Akunatî ukubiza i-silivere ne-golide ku-Saule nakwindlu yakê; akunatî ukubulala umntu kwa-Sirayeli. Watî kubo, Nitî-ke, mandinenzele nto-nina?

5 Batî kukumkani, Indoda eyasigqibayo, eyagqiba kwelokuba sitshatyalaliswe, singemi emdeni wonke wakwa-Sirayeli,

6 Makunikelwe kutî isixênxe samadoda konyana bayo, siwabetêle eminqamle-

Digitized by Google

zweni ku-Yehova e-Gibeha ka-Saule, u-mnyulwa ka-Yehova. Watî ukumkani, Ndowanikela mna.

7 Ke ukumkani wamsindisa u-Mefiboshete, unyana ka-Yonatan unyana ka-Saule, ngenxa yesifungo sika-Yehova esibe sipâkatî kwabo, pâkatî ko-Davide no-Yonatan unyana ka-Saule.

8 Ukumkani watâbatâ onyana ababini baka-Ritspa intombî ka-Aya, awayizalela u-Saule: u-Armoni no-Mefiboshete; nonyana abahlanu baka-Merabi intombî ka-Saule, awabazalela u-Adriyeli unyana ka-Barzilayi wase-Mehola;

9 Wabanikela esandleni sabase-Gibeyon, ababetêla eminqamlezweni entabeni pâmbî ko-Yehova, sawa kunye isixênxeeso. Babulawa bona ngemini zokuqala, zokuvuna ekuqaleni kokuvunwa kwe-ƒasi.

10 U-Ritspa intombî ka-Aya watâbatâ ingubo eƒwexayo, wazanekela eweni, esusela ekuqaleni kokuvuna, wezisa ekutûlulweni kwamanzi ezulwini pêzu kwabo; akavuma ukuba intaka zezulu zitîvu pezu kwabo emini, namaƒamncwa asendle ebusuku.

11 Waxelelwa u-Davide awakwenzayo u-Ritspa intombî ka-Aya, ishweshwe lika-Saule.

12 U-Davide waya, wawatâbatâ amatâmbô ka-Saule namatâmbô ka-Yonatan unyana wakê, kubemi base-Yabesh-ye-Giliyadi, ababewabile endaweni yembûtô yase-Bete-shan, apô ama-Filisti abebaxôme kôna, mini ama-Filisti ambulalayo u-Saule e-Gilibowa;

13 Wawanyusa kôna amatâmbô ka-Saule namatâmbô ka-Yonatan unyana wakê, bawabutâ namatâmbô abo babebetêlwe eminqamlezweni;

14 Amatâmbô ka-Saule no-Yonatan unyana wakê bawancwaba ezweni lakwa-Benyamin e-Tsela, encwabeni lika-Kishe uyise; bakwenza konke abewise umtêtô ngakô ukumkani. Wandula watândazeka-ke u-Yehova ngenxa yelizwe.

15 Kwabuya kwabakô ukulwa kwama-Filisti nama-Sirayeli, wehla u-Davide enabakônzi bakê, balwa nama-Filisti; watƒafa u-Davide.

16 Watî u-Ishbi-benobi, obe ngowonyana baka-Rafa, obunzima bentshuntshe yakê bebungamakûlu omatâtû obêdu ubunzima bayo, enxibe irele elitsha, waba womxabela u-Davide.

17 U-Abishayi unyana ka-Tseruya wamnceda, wamxabela um-Filisti lowo, wambulala. Aza amadoda ka-Davide amfungela esitî, Uz'ungabuye upûme natî uye ekulweni, ucime isibane sama-Sirayeli.

18 Kwatî emveni kokuba njalo, kwabuya kwabakô ukulwa nama-Filisti e-Gobi; oko u-Sibekayi um-Husha wamxabelayo u-Safu, obe ngowonyana baka-Rafa.

19 Kwabuya kwabakô ukulwa nama-Filisti e-Gobi, apô u-Elihanan unyana ka-Yahare-oregim wase-Betelehem wamxabelayo u-Lami umzalwana ka-Goliyati wase-Gati, olutî lwentshuntshe yakê lwalungangomtî wabaluki.

20 Kwabuya kwabakô ukulwa e-Gati. Kwakô ndoda iyingxilimbêla, ibineminwe emitândatû sandleni-sinye, namazwane amatândatû lunyaweni-lunye, amashumi amabini anamane ngenani; nayo ibizalwa ngu-Rafa.

21 Yawangcikiva ama-Sirayeli, wayixabela u-Yonatan unyana ka-Shimeha, umkûluwa ka-Davide.

22 Abo bobane bazalwa ngu-Rafa e-Gati; bawa ngesandla sika-Davide, nangesandla sabakônzi bakê.

22 Watêtâ u-Davide ku-Yehova amazwi alengoma, mini u-Yehova wamhlangulayo esandleni sentshaba zakê zonke, nasesandleni sika-Saule, watî,

2 Yehova, ngxondoƒa yam, mboniselo yam, msizi wam mna lo,
3 Tîxo oliliwa lam endizimela ngalo;
Ngweletshetshe yam, lupôndo losindiso lwam, ngxonde yam, ndawo yokusabela kwam,
Msindisi wam, undisindisa ekugônyamelweni.
4 Ndinqula u-Yehova ongowokudunyiswa,
Ndiyasindiswa-ke ezintshabeni zam.
5 Akundijikela amaza alwayo okufa,
Yakundidandatêkisa imilambô yobutshijolo,
6 Zakundibijela izintya ze-hades,
Zakundiƒintyela iziƒintyelo zokufa;
7 Ekubandezelekeni kwam ndanqula u-Yehova,
Ndamnqula u-Tîxo wam:

Digitized by Google

Waliva e-tempileni yakê izwi lam,
Ukuzibika kwam kwafika ezindlebeni zakê.
8 Wahexa-ke wanyikima umhlaba,
Iziseko zezulu zagungqa,
Zahexa ngokuba enomsindo.
9 Kwatî-tapû umsi ematâtêni akê,
Wadla umlilo upûma emlonyeni wakê,
Avutâ amalahle epûma kuwo.
10 Wawatôba amazulu, wehla,
Yangamafu amnyama pântsi kwenyawo zakê.
11 Wakwêla e-kerubini, wapâpâzela,
Wabonakala esemaphkweni omoya.
12 Wamisa ubumnyama ngenxa zonke kuye bayiminquba,
Intlanganisela yamanzi, nengqimbâ zamafu.
13 Ekuqaqambêni okupâmbi kwakê
Kwavutâ amalahle omlilo.
14 Wadudumisa ezulwini u-Yehova,
Osenyangweni walikûpa izwi lakê.
15 Watûma intolo, wabapângalalisa,
Umbane, wabadubaduba.
16 Kwabonakala imipântsi yolwandle,
Kwatfileka iziseko zelimiweyo
Ngokukâlima kuka-Yehova,
Ngokufutâ komoya womsindo wakê.
17 Wolula *isandla*, epêzulu, wandibambâ,
Wandifola emanzini amaninzi.
18 Wandihlangula elutshabeni lwam olunamandla,
Kwabanditfyileyo, ngokuba bebomelele kunam.
19 Bandifikela ngemini yokusindeka kwam,
Waba sixâso kum u-Yehova.
20 Wandikûpêla endaweni ebanzi,
Wandihlangula ngokuba endinonelele.
21 U-Yehova wandipâtâ kakuhle ngokobulungisa bam,
Wandibuyisela ngokuhlambûluleka kwezandla zam.
22 Ngokuba ndazigcina indlela zika-Yehova,
Andemka ngokungendawo ku-Tîxo wam.
23 Ngokuba onke amasiko akê apâmbî kwam;
Nemimiselo yakê, andityekanga kuyo.
24 Ndandingogqibeleleyo kuye,
Ndazinqanda ebugwenxeni bam.
25 Wandibuyisela-ke u-Yehova ngokobulungisa bam,
Ngokobunyulu bam, pâmbî kwamehlo akê.
26 Kowenceba uzenza owenceba;
Kwigofa eligqibeleleyo uzenza ogqibeleleyo.
27 Kozenze nyulu uzenza onyulu,
Kojibilizayo uzenza onobuqôkolo.
28 Abantu abazintsizana uyabasindisa,
Amehlo akô ajongene nabaqwayingileyo, ubatôbe.
29 Kuba usibane sam, wena Yehova,
U-Yehova ukânyisela ubumnyama bam.
30 Kuba ngawe ndigila impi,
Ngo-Tîxo wam nditsiba indonga.
31 U-Tîxo yena—igqibelele indlela yakê,
Ilizwi lika-Yehova linyibilikisiwe,
Uyingweletshetshe kubo bonke abazimela ngaye.
32 Ngokuba ngubanina ongu-Tîxo ingenguye u-Yehova?
Ngubanina oliliwa ingengu-Tîxo wetû?
33 Ulo-Tîxo uligwiba lam elinamandla,
Umalatîsayo ogqibeleleyo indlela yakê;
34 Uzifanisayo inyawo zam nezemazi yexâma,
Undimisayo emimangweni yam;
35 Uzifundisayo ukulwa izandla zam,
Zigobe isapêtâ sobêdu ingalo zam.
36 Undinikê ingweletshetshe yosindiso lwakô,
Ukundipûlapûla kwakô kwandikûlisa.
37 Uwenzele indawo ebanzi amanyatêla am pântsi kwam,
Amaxwele am akahexa.
38 Ndiya kuzisukela intshaba zam, ndizitshabalalise,
Ndingabuyi zide zipêle.
39 Ndiya kuzigqiba, ndizipâluse, zingavuki,
Ziwe pântsi kwenyawo zam.
40 Undibînqise ukukâlipêla imfazwe,
Ubaguqisa pântsi kwam abasukela pêzulu kum.
41 Intshaba zam uzenze zandinikela ikôsi,
Abanditîyayo ndababângisa.
42 Bayabêkabêka, kungabikô msindisi;
Ku-Yehova, angabapênduli.

Digitized by Google

43 Ndibacola njengotûli lomhlaba,
Ndibacumza, ndibaxovula njengodaka lwendlela, ndibasasaze.
44 Undisiza ekubambâneni kwabantu bam nam,
Undigcina ndibe yintloko yentlanga.
Abantu ebendingabazi bayandikônza.
45 Onyana bolunye uhlanga bayakundililamela behanahanisa,
Banditôbele besave ngendlebe.
46 Onyana bolunye uhlanga bayantshwenya,
Bapûma benovalo ekuvingcelweni kwabo.
47 U-Yehova uhleli, lelokubongwa iliwa lam,
Apâkanyiswe u-Tixo, iliwa losindiso lwam.
48 Ulo-Tixo undipîndezelayo,
Uzihliselayo pântsi kwam izizwe,
49 Undikûpâyo ezintshabeni zam:
Undipâkamisayo kwabasukela pêzulu kum;
Undihlangulayo kumfo ogônyamelayo.
50 Ngenxa yoko ndiya kubulela kuwe, Yehova, pâkatî kwentlanga,
Ndivume kwigama lakô.
51 Ulokûlisa usindiso lokumkani wakê;
Owenzayo inceba kumtânjiswa wakê,
Ku-Davide nakwimbêwu yakê kude kuse epâkadeni.

23 Ngawo la-ke amazwi okugqibela ka-Davide,
Utsho u-Davide unyana ka-Isayi,
Itsho indoda eyapâkanyiselwa pêzulu,
Umtânjiswa ka-Tixo ka-Yakobi,
Omihobe imnandi kwa-Sirayeli,
2 Ukutî, Umoya ka-Yehova utêtâ ngam,
Ukukûluma kwakê kuselulwimi lwam.
3 Utî u-Tixo ka-Sirayeli,
U-Liwa lakwa-Sirayeli utêtâ kum, utî,
Kuya kuvela umlauli woluntu olilungisa,
Elaula ngokoyika u-Tixo.
4 Unjengokukânya kwentsasâ, lakupûm' ilanga,
Njengentsasâ engenamafu,
Lakusa ibisina,
Lwakupûm' uhlaza endle.
5 Kuba ayinjalo yinina indlu yam ku-Tixo?
Kuba undenzele umnqopiso ongunapâkade,
Walungiswa ngento zonke, wagcinwa;
Kuba ukusindiswa kwam konke nokunqwena *kwam* konke
Akayi kukuhlumisa yinina?
6 Ke amatshijolo onke epêla anjengemitâna enameva ecukulwayo,
Kuba ingenakutâtyatwa ngesandla.
7 Umntu ukuyipâtâ
Uzalisa isandla ngentsimbî nolutî lwentshuntshe,
Itshiswe itshe ngumlilo kwalapô ikôna.

8 Ngawo la amagama amagofa ka-Davide: ngu-Yoshebê-bâshebêtê wase-Takemon obe yintloko yamafa-nankosi; yena watyityimbisa intshuntshe yakê pêzu kwamakûlu asibôzo awahlatywa ngesihlandlo esinye.

9 Nganeno kwakê ngu-Elazare unyana ka-Dodayi, unyana wom-Ahowa, obe lelinye kumagofa lawo matâtû abe no-Davide ekuwangcikiveni kwawo ama-Filisti, abebutêlene kôna emfazweni, akubon'ukuba anyukile amadoda akwa-Sirayeli:

10 Yena wesuka wawabulala ama-Filisti, sada sadinwa isandla sakê, somela efeleni isandla sakê; wenza-ke u-Yehova usindiso olukûlu ngalomini; babuya abantu bamlandela, banela ukutîmbâ kupêla.

11 Nganeno kwakê ngu-Shama unyana ka-Age um-Harari. Ama-Filisti ayehlanganisene asisiqû. Kwaye kuko apô isiqwenga somhlaba sizele zintlumaya; basaba abantu ebusweni bama-Filisti;

12 Wesuka yena wema esazulwini sesiqwenga eso, wasihlutâ, wawabulala ama-Filisti. U-Yehova wenza-ke usindiso olukûlu.

13 Kwehla isitâtû sazintloko emashumini amatatu *amafa-nankosi*, eza ku-Davide, xa kuvunwayo, emqolombêni wase-Adulam; saye isiqû sama-Filisti simise in-tente entilini yama-Rafa.

14 U-Davide oko ube sembôniselweni; i-posi yama-Filisti oko ibise-Betelehem.

15 Wanqwena u-Davide, watî, Akwaba, betû, bendingasezwa amanzi equla lase-Betelehem, elisesangweni!

Digitized by Google

16 Atyûdisa lomagofa matâtû empini yama-Filisti, akâ amanzi equleni lase-Betelehem elisesangweni, awatwâla awazisa ku-Davide. Akavuma ukuwasela, wawatûlulela pântsi pâmbî ko-Yehova.

17 Watî, Makube lé kum, Yehova, ukwenza oko. Asiligazi-na eli lamadoda ahambe encame imipêfumlo yawo? Akavuma-ke ukuwasela. Enza ezonto amagofa lawo matâtû.

18 Ke u-Abishayi, umninawa ka-Yowabi, unyana ka-Tseruya, yena ube yintloko yamafa-nankosi, wati-futû intshuntshe yakê pêzu kwamakûlu amatâtû abahlatywayo. Waye negama-ke kwabo batâtû.

19 Wayezukile okunene ngapêzu kwamashumi amatâtû lawo, waba ngumtêtêli wawo; kodwa akafikanga kwabaya batâtu.

20 Ke u-Benaya unyana ka-Yehoyada, unyana wendoda enoburoti, ozenzo zininzi, wase-Kabetseli, yena wabulala ingwanyalala ezimbîni zakwa-Mowabi; yena wehla, wabulala ingonyama equleni pâkatî, mini ngekêpû.

21 Yena wabulala indoda engum-Yiputa, indoda enewonga; um-Yiputa lowo wayepêtê intshuntshe. Wehla, waya kuye enentonga, wayihlutâ intshuntshe esandleni som-Yiputa-lowo, wambulala ngentshuntshe yakê.

22 Wenza ezonto u-Benaya unyana ka-Yehoyada; waba negama-ke kumagofa lawo matâtû.

23 Ubezukile kunamashumi amatâtû lawo; kodwa akafikanga kwabaya batâtû. U-Davide wammisa epâkatîni lakê.

24 U-Asaheli umninawa ka-Yowabi ebengomnye kumashumi amatâtû lawo; ngu-Elihanan unyana ka-Dodayi wase-Betelehem;

25 Ngu-Shama wase-Harodi, ngu-Elika wase-Harodi;

26 Ngu-Heletse wase-Peleti; ngu-Ira unyana ka-Ikeshe wase-Tekowa;

27 Ngu-Abiyezere wase-Anatoti; ngu-Mebunayi um-Husha;

28 Ngu-Tsalimon um-Ahowa, ngu-Maharayi wase-Netofa;

29 Ngu-Helebe unyana ka-Bahana wase-Netofa; ngu-Itayi unyana ka-Ribayi wase-Gibeha yonyana baka-Benyamin;

30 Ngu-Benaya wase-Piraton; ngu-Hidayi wasezihlanjeni zase-Gahashe,

31 Ngu-Abihalebon wase-Araba; ngu-Azemavete wase-Bahurim;

32 Ngu-Eliyaba wase-Shahalebon; ngu-Bene-yashen, ngu-Yonatan;

33 Ngu-Shama um-Harari; ngu-Ahiyam unyana ka-Sharare um-Arari;

34 Ngu-Elifelete unyana ka-Ahasebayi, unyana wowase-Mahaka; ngu-Eliyam unyana ka-Ahitofele, wase-Gilo;

35 Ngu-Hetsero wase-Karmele; ngu-Paharayi wase-Arbi;

36 Ngu-Igali unyana ka-Natan wase-Tsoba; ngu-Bani wakwa-Gadi.

37 Ngu-Tseleke um-Amon; ngu-Naharayi wase-Beroti, umpâtî wentonga zika-Yowabi unyana ka-Tseruya;

38 Ngu-Ira um-Itri; ngu-Garebe um-Itri;

39 Ngu-Uriya um-Heti: bebonke bangamashumi omatâtû anesixênxe.

24 Kekaloku wabuya wavuta umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, wamxôkonxela u-Davide kuwo, esitî, Yiya, uwabale ama-Sirayeli nama-Yuda.

2 Watî-ke ukumkani ku-Yowabi umtêtêli-mpi obe naye, Kautyûtyê ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, utâbatêla kwa-Dan use e-Ber-sheba nibabale abantu, ndilazi inani labantu.

3 Watî u-Yowabi kukumkani, Makongeze-ke u-Yehova u-Tîxo wakô ebantwini izihlandlo ezilikûlu, bengangoko bangako, abone namehlo enkosi yam ukumkani; ke yinina ukuba inkosi yam ukumkani iyifune lento?

4 Laqina ilizwi lokumkani ku-Yowabi nakubatêtêli-mpi. Wapûma-ke u-Yowabi nabatêtêli-mpi pâmbî kokumkani, baya kubabala abantu bakwa-Sirayeli.

5 Bawela e-Yordan, bamisa e-Arohere ngasekunene komzi opâkatî kwesihlambô sakwa-Gadi nase-Yazere;

6 Baya e-Giliyadi nasezweni lase-Tatim-hodeshe, baya nase-Dan-yahan, bajikelezela kowakwa-Tsidon;

7 Baya nasenqabeni yase-Tire, nasemizini yonke yama-Hivi neyama-Kanan; baya bapûma kwelise-Zantsi lakwa-Yuda e-Ber-sheba,

8 Balityûtyâ-ke lonke ilizwe, beza e-Yerusalem ekupêleni kwenyanga ezisitôba ezinentsuku ezimashumi mabini.

9 U-Yowabi wamnika-ke ukumkani inani lokubalwa kwabantu: aza ama-Sira-

Digitized by Google

yeli angamakûlu asibôzo amawaka amadoda anobuŕoti aŕola iŕele; amadoda akwa-Yuda angamakûlu amahlanu amawaka amadoda.

10 Yakâtâzeka intliziyo ka-Davide emveni kokuba ebabalile abantu. Watî u-Davide ku-Yehova, Ndonile kunene ngalento ndiyenzileyo; kaloku kâubukwêlelise, Yehova, ubugwenxa bomkônzi wakô; ngokuba ndenze ngobudenge obukûlu.

11 Wavuka kusasa u-Davide; ilizwi lika-Yehova lafika ku-Gadi um-profeti, imbôni ka-Davide, lisitî,

12 Yiya utêtê ku-Davide, utî, Utsho u-Yehova ukutî, Ndikumisela izinto ezintâtû; zinyulele ibe-nye kuzo, ndiyenze kuwe.

13 Waya-ke u-Gadi ku-Davide, wamxelela, watî kuye, Uzelwe sixênxe seminyaka yendlala ezweni lakô-na? usabe pâmbî kwentshaba zakô inyanga zibe ntatû, zikusukela kusinina? kubekô indyikitya yokufa imini ezintatû ezweni lakô kusinina? Yazi ngoku, ulenze ilizwi endombuyisela lona onditûmileyo.

14 Watî u-Davide ku-Gadi, Ndididekile kunene. Mase sisiwa esandleni sika-Yehova; ngokuba ininzi imfesane yakê; mandingaweli esandleni somntu.

15 U-Yehova watôba-ke indyikitya yokufa kwa-Sirayeli, yatâbatêla ekuseni yesa kwixa lentlanganiso; kwafa ebantwini, betâbatêla kwa-Dan besa e-Ber-sheba: amashumi asixênxe amawaka amadoda.

16 Saza isitûnywa sasa isandla saso kwi-Yerusalem, ukuba siyitshabalalise, wazohlwaya u-Yehova ngenxa yobubi obo; watî kwisitûnywa-eso sitshabalalisa abantu, Kwanele; sitôbe kaloku isandla sakô. Kekaloku isitûnywa sika-Yehova besisesandêni sika-Aravena um-Yebus.

17 Watêtâ u-Davide ku-Yehova akusibona isitûnywa-eso sibetâ ebantwini, watî, Uyabona, ndonile mna, ndenze ngobugwenxa mna; umhlambi lo wona wenze nto-nina? isandla sakô masibe pêzu kwam nendlu kabawo.

18 Waya-ke u-Gadi ku-Davide ngalomini, watî kuye, Nyuka uye, ummisele u-Yehova isibingelelo esandêni sika-Aravena um-Yebusi.

19 Wenyuka u-Davide ngokwelizwi lika-Gadi, njengoko u-Yehova abemwisele umtêtô ngako.

20 Walunguza u-Aravena, wambona ukumkani nabakônzi bakê besiza kuye. Wapûma u-Aravena, waqubuda kukumkani ngobuso emhlabeni.

21 Watî u-Aravena, Izela-nina inkosi yam ukumkani kumkônzi wayo? Watî u-Davide, Ndiza kutênga isandâ kuwe, ukuba ndakêle u-Yehova isibingelelo, sitîntelwe isibetô ebantwini.

22 Watî u-Aravena ku-Davide, Mayitâbatê inkosi yam ukumkani, inyuse okulungileyo emehlweni ayo. Nanzi inkomo zedini elinyukayo, nempahla zokubûla nedyokwê zenkomo zokuba zinkuni.

23 Zonke ezizinto, kumkani, u-Aravena uzinika ukumkani. Watî u-Aravena kukumkani, U-Yehova u-Tîxo wakô makakôliswe nguwe.

24 Watî ukumkani ku-Aravena, Hayi, ndiya kusitênga ngexabiso kuwe; andikunyusa ndise ku-Yehova u-Tîxo wam amadini anyukayo endiwazuze ngelizé. Wasitênga-ke u-Davide isandâ nenkomo-ezo nge-shekele ze-silivere ezimashumi mahlanu.

25 Wakêla apô-ke u-Davide isibingelelo ku-Yehova, wanyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo. Watândazeka-ke u-Yehova ngenxa yelizwe; satîntelwa isibetô kuma-Sirayeli.

INCWADI YOKUQALA YOKUMKANI.

ISIQENDU I.

KEKALOKU ukumkani u-Davide ubesele yindoda enkulu, ehambîsekile ebudaleni; bamgubungela ngengubo, akabi nakufudumala noko.

2 Batî abakonzi bakê kuye, Inkosi yetû ukumkani mayifunelwe inkakazana eseyintombî, ime pâmbî kokumkani, imonge, ilale esifubeni sakê, ifudumale inkosi yetû ukumkani.

3 Bafuna-ke intombî eyinzwakazi emi-

Digitized by Google

deni yonke yakwa-Sirayeli, bafumana u-Abishagi wase-Shunem, bamzisa kukumkani.

4 Inkakazana-leyo yayiyinzwakazi encamisileyo, yamonga ukumkani, yamlungiselela; ukumkani akayazi.

5 Waza u-Adoniya unyana ka-Hagiti wazipâkamisa, watî, Ndiya kuba ngukumkani; wazenzela inqwelo zokulwa nabamahashe namadoda angamashumi omahlanu okutshayelela pâmbî kwakê.

6 Uyise ebengamenzanga buhlungu nemini enye ngokutî, Yinina ukuba wenje nje? Kananjalo ube ngumfo osiqu sihle; unina wamzala emva ko-Abisalom.

7 Wacebisana no-Yowabi unyana ka-Tseruya, no-Abiyatare umenzeleleli; bancedisa balandela u-Adoniya.

8 Ke bona o-Tsadoki umenzeleleli, no-Benaya unyana ka-Yehoyada, no-Natan umprofeti, no-Shimehi, noRehi, namagoña abe ku-Davide, ababanga ngaku-Adoniya.

9 U-Adoniya wabingelela impahl' emfutshane nenkomo ezityetyisiweyo ngasetyeni lase-Zohelete, elisecaleni le-En-rogele; wamema bonke abazalwana bakê, onyana bokumkani, namadoda onke akwa-Yuda, abakônzi bokumkani;

10 Ke bona o-Natan um-profeti, no-Benaya, namagoña, no-Solomon umkuluwa wakê akabamema.

11 Watêtâ u-Natan ku-Batsheba unina ka-Solomon, watî, Akuvanga-na ukuba u-Adoniya unyana ka-Hagiti, ungukumkani? ukanti inkosi yetû u-Davide ayiyazi lonto.

12 Yiza-ke ngoko, ndikûpê iqinga, usize umpêfumlo wakô, nompêfumlo wonyana wakô u-Solomon.

13 Hamb'uye kukumkani u-Davide, utî kuye, Wawungamfungelanga-na umkônzazana wakô, wena nkosi yam, kumkani, watî, U-Solomon unyana wakô uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena e-troneni yam? kunganina-ke ukuba abe ngukumkani u-Adoniya?

14 Uyabona, ndotî, usatêtâ apô nokumkani, ndingene nam emva kwakô, ndiwazalise amazwi akô.

15 Waya-ke u-Batsheba kukumkani egumbini; ke ukumkani ubesele yindoda enkulu kunene; u-Abishagi wase-Shunem ubelungiselela ukumkani.

16 Watôba u-Batsheba, waqubuda kukumkani. Watî ukumkani, Unganto-nina?

17 Watî yena kuye, Nkosi yam, wena wamfungela u-Yehova u-Tixo wakô umkônzazana wakô, watî, U-Solomon unyana wakô uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena e-troneni yam.

18 Kaloku nanku ingu-Adoniya ukumkani; kanti akwazi wena, nkosi yam kumkani.

19 Ubingelele inkomo nezinto ezityetyisiweyo nempahl' emfutshane yaninzi, wamema bonke onyana bokumkani, no-Abiyatare umenzeleleli, no-Yowabi umtêtelimkôsi; akammema-ke yena u-Solomon umkônzi wakô.

20 Wena nkosi yam kumkani, amehlo ama-Sirayeli onke akuwe, ukuba uwaxelele, ukuba kuhlale banina e-troneni yenkosi yam ukumkani emveni kwayo.

21 Kotî, xa itê yalala koyise inkosi yam ukumkani, sibe ngaboni tina no-Solomon unyana wam.

22 Utê esatêtâ nokumkani, nanko kufika u-Natan um-profeti.

23 Waxelelwa ukumkani, kwatiwa, Nanku u-Natan um-profeti. Wafika-ke pâmbî kokumkani, waqubuda kukumkani ngobuso emhlabeni;

24 Watî u-Natan, Nkosi yam kumkani, utshilo-na wena ukutî, U-Adoniya uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena e-troneni yam?

25 Ngokuba uhlile namhla-nje, wabingelela inkomo nezinto ezityetyisiweyo nempahl' emfutshane yaninzi, wamema bonke onyana bokumkani, nabatêtêli-mkôsi, no-Abiyatare umenzeleleli; nabo-ke besidla besela pâmbî kwakê, besitî, Makadle ubomi ukumkani u-Adoniya.

26 Ke akandimemanga mna nkônzi wakô, no-Tsadoki umenzeleleli, no-Benaya unyana ka-Yehoyada, no-Solomon umkônzi wakô.

27 Ingaba ivela kwinkosi yam ukumkanina lento, waza akwabazisa abakônzi bakô oya kuhlala e-troneni yenkosi yam ukumkani emveni kwayo?

28 Wapêndula ukumkani u-Davide, watî, Bizani u-Batsheba eze kum. Weza-ke pâmbî kokumkani, wema pâmbî kokumkani.

29 Wafunga ukumkani, watî, Ehleli-nje u-Yehova, owawukûlulayo umpêfumlo wam ekubandezelekeni konke;

30 Inene, njengoko ndakufungela u-Ye-

[1] Umbingeloli kwi-Test. entsha, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

hova u-Tixo ka-Sirayeli, ndisiti, U-Solomon unyana wakò uya kuba ngukumkani emveni kwam, kuhlale yena e-troneni yam esikúndleni sam: inene ndiya kwenje njalo namhla.

31 Watóba-ke u-Batsheba ngobuso enmhlabeni, waqubuda kukumkani, wati, Mayidle ubomi inkosi yam ukumkani u-Davide ngonapákade.

32 Wati ukumkani u-Davide, Babizeni beze kum apá u-Tsadoki umenzeleleli, no-Natan um-profeti, no-Benaya unyana ka-Yehoyada. Beza-ke pámbi kokumkani.

33 Wati ukumkani kubo, Tábatáni abakónzi benkosi yenu, bahambé nani, nikwelise u-Solomon unyana wam kowam undlebende, nihle naye niye e-Gihon;

34 Bamtámbisele kóna o-Tsadoki umenzeleleli no-Natan um-profeti, abe ngukumkani kuma-Sirayeli; nivutéle izigodlo, niti, Makadle ubomi ukumkani u-Solomon.

35 Ninyuke, nimlandele; eze ahlale etroneni yam; abe ngukumkani yena esikúndleni sam; ndimmisile ukuba abe yinganga kuma-Sirayeli nakuma-Yuda.

36 Wapéndula u-Benaya unyana ka-Yehoyada, wati kukumkani, Amen; makatsho u-Yehova u-Tixo wenkosi yam ukumkani.

37 Njengokuba u-Yehova waye nenkosi yam ukumkani, ngokunjalo uya kuba no-Solomon, ayikúlise i-trone yakè ngapézu kwe-trone yenkosi yam ukumkani u-Davide.

38 Wehla-ke u-Tsadoki umenzeleleli, no-Natan um-profeti, no-Benaya unyana ka-Yehoyada, nabancinití nezigidimi; bamkwelisa u-Solomon kundlebende kakumkani u-Davide, baya naye e-Gihon.

39 U-Tsadoki umenzeleleli watábatá isigodlo se-oli en-tenteni, wamtámbisa u-Solomon, wavutéla izigodlo, batí bonke abantu, Makadle ubomi ukumkani u-Solomon.

40 Benyuka bonke abantu, bamlandela; abantu bebetá ugwali, bevuya ngemivuyo emikúlu, watí-ndí umhlaba ngesandi sabó.

41 Beva o-Adoniya nabamenywa bakè bonke, bakukov'ukudla. Wasiva u-Yowabi isandi sesigodlo, watí, Sesanina esisandi sizamazamisa isikínindi?

42 Uté esatétá, nanko kufika u-Yonatan unyana ka-Abiyatare, umenzeleleli. Watí u-Adoniya, Ngena, ngokuba ungumfo onesidima, uza nendaba ezilungileyo.

43 Wapéndula u-Yonatan, watí ku-Adoniya, Hayi, inkosi yetú ukumkani u-Davide imenze ukumkani u-Solomon.

44 Ukumkani umkúpé no-Tsadoki umenzeleli, no-Natan um-profeti, no-Benaya unyana ka-Yehoyada, nabancinití nezigidimi, bamkwelisa kundlebende kakumkani,

45 O-Tsadoki umenzeleleli no-Natan um-profeti bamtámbisa ukuba abe ngukumkani e-Gihon; benyuka, besuka apó bevuya, sazamazama-ke isikínindi. Siso-ke eso esisandi nisivayo.

46 Kananjalo u-Solomon selehleli e-troneni yobukumkani.

47 Kanajalo bafikile abakónzi bokumkani, beza kubonga inkosi yetú ukumkani u-Davide, batí, U-Tixo wakó makalilungise igama lika-Solomon ngapézu kwegama lakó, ayikúlise i-trone yakè ngapézu kwetrone yakó; waqubuda ukumkani esililini.

48 Kananjalo wenje-nje ukumkani ukutétá, watí, Makabongwe u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli, ondinikileyo namhla owokuhlala e-troneni yam, esabona-nje amehlo am.

49 Botúka-ke bonke abamenywa baka-Adoniya, besuka, bahambá elowe indlela yakè.

50 Woyika u-Adoniya ebusweni buka-Solomon, wesuka, waya wabambélela ezimpondweni zesibingelelo.

51 Waxelelwa u-Solomon, kwatíwa, Nanko u-Adoniya esoyika ukumkani u-Solomon; nanko ebambélele ezimpondweni zesibingelelo, esití, Makandifungele namhla-nje ukumkani u-Solomon, atí, akakumbulala ngeřele umkónzi wakè.

52 Watí-ke u-Solomon, Ukuba utè wangumfo onesidima, akusokuwa lunwele lwakè emhlabeni; ke ukuba kutè kwafunyanwa ububi kuye, uya kufa.

53 Watúmela ukumkani u-Solomon; bamhlisa esibingelelweni; waya waqubuda kukumkani u-Solomon. Watí u-Solomon kuye, Hamb'ugoduke.

2 Yasondela imihla ka-Davide yokuba afe; wamwisela umtétó u-Solomon unyana wakè, watí,

2 Ndihambá indlela yomhlaba wonke; yomelela-ke ube yindoda,

3 Ugcine isigxina sika-Yehova u-Tixo wakó, uhambé ngendlela zakè, ugcine imiselo yakè, nemitétó yakè, namasiko akè, nezinqino zakè, njengoko kubáliweyo e-

Digitized by Google

myalelweni ka-Moses, ukuze ube nengqiqo ezintweni zonke otê wazenza, nasezintweni zonke otê wasinga kuzo;

4 Ukuze alimise u-Yehova ilizwi lakê awalitétâyo ngam, esitî, Ukuba batê onyana bakô bayigcina indlela yabo, ukuba bahambê pâmbî kwam enyanisweni ngentliziyo yabo yonke, nangompêfumlo wabo wonke, (esitî,) Akuyi kunqunyukelwa ndoda e-troneni yakwa-Sirayeli.

5 Kananjalo wena uyakwazi awakwenzayo kum u-Yowabi unyana ka-Tseruya, awakwenzayo kubatêtêli ababini bemikôsi yakwa-Sirayeli, ku-Abinere unyana ka-Nere, naku-Amasa unyana ka-Yetere, awababulalayo, wapâlaza amagazi emfazwe lixolile, wabeka amagazi emfazwe embînqweni wakê obusesinqeni sakê, nasezimbâdadeni zakê ezisezinyaweni.

6 Yenza ngokobulumko bakô, zingehli izimvi zakê ziye kwelabafileyo enoxolo.

7 Ke konyana baya-Barzilayi wase-Giliyadi uze wenze ngenceba, babe kwabadla e-tafileni yakô; ngokuba beza kum ekusabeni kwam ebusweni buka-Abisalom umkûluwa wakô.

8 Uyabona, unawe u-Shimehi unyana ka-Gera, um-Benyamin, wase-Bahurim; yena wanditshabisa ngotshabiso olukûlu mini ndaya e-Mahanayim; yena-ke wehla weza kundikâulela e-Yordan, ndamfungela u-Yehova, ndatî, Andiyi kukubulala ngerêle.

9 Ngoko uz'ungamenzi omsulwa, ngokuba uyindoda elumkileyo wena; uze ukwazi oko uya kukwenza kuye; uzihlisele kwelabafileyo zinegazi izimvi zakê.

10 Walala-ke u-Davide koyise, wancwatyelwa emzini ka-Davide.

11 Ke imihla abe ngukumkani kuma-Sirayeli u-Davide ibingamashumi omane eminyaka; e-Hebron waye ngukumkani iminyaka esixênxe; e-Yerusalem waye ngukumkani iminyaka emashumi matâtû anamitâtû.

12 Wahlala-ke u-Solomon e-troneni ka-Davide uyise; baqiniseka kunene ubukumkani bakê.

13 Kekaloku waya u-Adoniya unyana ka-Hagiti ku-Batsheba unina ka-Solomon. Watî yena, Uza ngoxolo-na? Watî, Ngoxolo.

14 Watî, Ndinelizwi nawe. Watî, Têtâ.

15 Watî, Uyazi wena ukuba bebubobam ubukumkani, abebubêkise kum ubuso bawo onke ama-Sirayeli, ukuba ndibe ngukumkani; batî-guququ ubukumkani, baba bobomninawa wam; ngokuba baba bobakê, bupûma ku-Yehova.

16 Kungoku-nje ndicela nto-nye kuwe, uz'ungandilanduleli. Watî kuye, Têtâ.

17 Watî-ke, Kâutêtê no-Solomon ukumkani, ngokuba akayi kukulandulela, andinike u-Abishagi wase-Shunem abe ngumkam.

18 Watî u-Batsheba, Kulungile, ndokutêtêlela kukumkani.

19 Waya-ke u-Batsheba kukumkani u-Solomon, ukuba atêtê naye ngo-Adoniya. Wesuka ukumkani waya kumkâulela, waqubuda kuye, wahlala e-troneni yakê, wammisela i-trone unina wokumkani, wahlala-ke ngasekunene kwakê.

20 Watî, Ndicela nto-nye kuwe: uz'ungandilanduleli. Watî-ke ukumkani kuye, Cela má, ngokuba andiyi kukulandulela.

21 Watî yena, U-Abishagi wase-Shunem makanikwe u-Adoniya umkûluwa wakô abe ngumkakê.

22 Wapêndula ukumkani u-Solomon, watî kunina, Yinina ukuba u-Adoniya umcelele u-Abishagi wase-Shunem? seumcelela nobukumkani; ngokuba ungumkuluwa wam; ucelele yena, no-Abiyatare umenzeleleli, no-Yowabi unyana ka-Tseruya.

23 Ukumkani u-Solomon wafunga u-Yehova, watî, Makenje-nje u-Tixo kum, aqokele ukwenje-nje, ukuba u-Adoniya akalitêtânga elolizwi elahla umpêfumlo wakê.

24 Ngoko, ehleli-nje u-Yehova, ondiqinisileyo wandihlalisa e-troneni ka-Davide ubawo, wandenzela indlu njengoko wakutêtâyo, uya kubulawa namhla-nje u-Adoniya.

25 Ukumkani u-Solomon watûmela-ke ngo-Benaya unyana ka-Yehoyada; wamgwaza wafa.

26 Naku-Abiyatare umenzeleleli wati ukumkani, Hamb'uye e-Anatoti emhlabeni wakô; ngokuba ungumfo wokufa; ke andikukubulala ngalemini; ngokuba wawutwâla umkômbe we-Nkosi u-Yehova pâmbî ko-Davide ubawo, nangokuba ubucinezelwe kuko konke abecinezelwe kuko ubawo.

27 U-Solomon wamgxotâ u-Abiyatare ekubeni ngumenzeleleli ka-Yehova; ukuze

Digitized by Google

alizalise ilizwi lika-Yehova, awalitêtâyo ngendlu ka-Eli e-Shilo.

28 Lwafika oludaba ku-Yowabi; ngokuba u-Yowabi wayetêlele ku-Adoniya, noko wayengatêlelanga ku-Abisalom. U-Yowabi wasabela en-tenteni ka-Yehova, wabambêlela ezimpondweni zesibingelelo.

29 Waxelelwa ukumkani u-Solomon, ukuba u-Yowabi usabele en-tenteni ka-Yehova; nanko ecaleni lesibingelelo. U-Solomon watûma u-Benaya unyana ka-Yehoyada, watî, Yiya umgwaze.

30 Waya u-Benaya en-tenteni ka-Yehova, watî kuye, Utî ukumkani, Pûma. Watî yena, Hayi; ndiya kufela apâ. U-Benaya wambuyisela ukumkani ilizwi, esitî, Wenje-nje ukutêtâ u-Yowabi, wenje-nje ukundipêndula.

31 Watî ukumkani kuye, Yenza njengoko atêtê ngako, umgwaze, umncwabe, uwasuse kum nakwindlu kabawo amagazi amsulwa, awawapâlazayo u-Yowabi;

32 U-Yehova alibuyisele entloko yakê igazi lakê, owawela amadoda amabini angamalungisa, alungileyo kunaye, wawabulala ngerele, engazi ubawo u-Davide, ango-Abinere unyana ka-Nere, umtêtêlimkôsi wakwa-Sirayeli, no-Amasa unyana ka-Yetere, umtêtêli-mkôsi wakwa-Yuda;

33 Abuyele amagazi awo entloko ka-Yowabi, nasentloko yembêwu yakê ngonapâkade; ku-Davide, nakwimbêwu yakê, nakwindlu yakê, nakwi-trone yakê ibe luxolo olungunapâkade, luvela ku-Yehova.

34 Wenyuka-ke u-Benaya unyana ka-Yehoyada, wamgwaza, wambulala; wancwatyelwa endlwini yakê entlango.

35 Ukumkani wammisa u-Benaya unyana ka-Yehoyada esikûndleni sakê pêzu komkôsi; ukumkani wammisa u-Tsadoki umenzeleleli esikûndleni sika-Abiyatare.

36 Watûmela ukumkani, wabiza u-Shimehi, watî kuye, Zakêle indlu e-Yerusalem, uhlale kôna, ungapûmi kôna, uye pî napî;

37 Kotî, mini utê wapûma, wawela umlanjana oyi-Kidron, wazi inene ukuba uya kufa; igazi lakô loba pêzu kwentloko yakô.

38 Watî u-Shimehi kukumkani, Lilungile elolizwi; njengoko itêtê ngako inkosi yam ukumkani, uya kwenje njalo umkônzi wakô. Wahlala-ke u-Shimehi e-Yerusalem imihla emininzi.

39 Kwatî ekupêleni kweminyaka emitâtû, kwazimela abakônzi ababini baka-Shimehi, baya ku-Akishe unyana ka-Mahaka, ukumkani wase-Gati. Waxelelwa u-Shimehi, kwatîwa, Yabona, abakônzi bakô base-Gati.

40 Wesuka u-Shimehi, wabopâ i-esile lakê, waya e-Gati ku-Akishe, efuna abakônzi bakê abo; u-Shimehi waya e-Gati, weza nabo abakônzi bakê.

41 Waxelelwa u-Solomon, ukuba u-Shimehi upûmile e-Yerusalem, waya wabuya e-Gati.

42 Watûmela-ke ukumkani, wambiza u-Shimehi, watî kuye, Bendingakufungise u-Yehova yinina, ndakuqononondisa, ndisitî, Mini utê wapûma waya pî napî, yazi inene ukuba uyakufa? Watî-ke wena kum, Lilungile elolizwi, ndilivile.

43 Kunganina-ke ukuba ungasigcini isifungo sika-Yehova nomtêtô endakuwiselayo?

44 Wati ukumkani ku-Shimehi, Uyabazi wena bonke ububi obaziwa yintliziyo yakô, owabenzayo ku-Davide ubawo; uyabubuyisela u-Yehova ububi bakô kwasentloko yakô;

45 Asikelelwe ukumkani u-Solomon, iqiniseke i-trone ka-Davide pâmbî ko-Yehova kude kuse epâkadeni.

46 Ukumkani wamwisela-ke umtêtô u-Benaya unyana ka-Yehoyada; wapûma wamgwaza; wafa. Ubukumkani baqiniseka esandleni sika Solomon.

3 U-Solomon-ke wakâ ubuhlobo no-Faro ukumkani wama-Yiputa; wazeka intombî ka-Faro, wayizisa emzini ka-Davide, wada wayigqiba ukuyakâ indlu yakê, nendlu ka-Yehova, nodonga lwase-Yerusalem ngenxa zonke.

2 Kodwa-ke abantu bebebingelela ezigângeni; ngokuba belingekakêlwa ndlu igama lika-Yehova kwada kwayilomihla.

3 U-Solomon ubemtânda u-Yehova, ehambâ emimiselweni ka-Davide uyise; kodwake ubebingelela eqûmisela ezigângeni yena.

4 Ukumkani ubesiya e-Gibeyon ukuba abingelele kôna; ngokuba ibisiso isigânga esikûlu; u-Solomon wenyusa iwaka lamadini anyukayo kwesosibingelelo.

5 U-Yehova wabonakala ku-Solomon e-Gibeyon apô ngepûpâ ebusuku; watî u-Tixo, Cela into, ndikupê.

Digitized by Google

6 Watî u-Solomon, Wena wenza inceba enkulu kumkônzi wakô u-Davide ubawo, njengoko abehambâ pâmbî kwakô enyanisweni, nasebulungiseni, nangokutî-tye kwentliziyo kuwe, wamgcinela lenceba inkulu, wamnika unyana ohleli e-troneni yakê, njengokuba kunjalo namhla.

7 Kaloku, Yehova Tîxo wam, wena umenze umkônzi wakô lo wangukumkani esikûndleni sika-Davide ubawo; ndingumntwana omncinane; andikwazi ukupûma nokungena.

8 Umkônzi wakô lo upâkatî kwabantu bakô obanyulileyo, abantu abaninzi abange nakubalwa, abange nakuxelwa ukuba baninzi.

9 Mnike umkônzi wakô intliziyo evayo yokubalaula abantu bakô, ahlule pâkatî kokulungileyo nokungendawo; ngokuba ngubanina onakô ukubalaula abantu bakô aba bangaka?

10 Lalunga elolizwi emehlweni e-Nkosi, ukuba u-Solomon acele lonto.

11 Watî-ke u-Tîxo kuye, Ngenx' enokuba ucele lento, akwazicelela imihla emininzi, akwazicelela ubutyebi, akwazicelela ubomi bentshaba zakô, wazicelela ukuqonda ukuba uwatêtê amatyala:

12 Uyabona, ndenzē ngokwelizwi lakô; uyabona, ndikunikile intliziyo enobulumko enokuqonda, ekungabangakô unjengawe pâmbî kwakô, ekungayi kuvela unjengawe emva kwakô.

13 Kananjalo oko ungakucelanga ndikunikile nakô, kwa ubutyebi nozuko, ukuba kungabikô mntu unjengawe pâkatî kokumkani yonke imihla yakô.

14 Ke ukuba utê wahambâ ngendlela zam ngokuyigcina imimiselo yam nemitêtô yam, njengoko wahambâ ngako u-Davide uyihlo, ndoyolula imihla yakô.

15 Wavuka u-Solomon, O! lipûpâ. Waya-ke e-Yerusalem, wema pâmbî komkômbê womnqopîso ka-Yehova, wenyusa amadini anyukayo, wenza imibingelelo yokubulela, wabenzela isidlo abakônzi bakê bonke.

16 Ngeloxesha kweza kukumkani, amankazana amabini angamahenyukazi ema pâmbî kwakê.

17 Yati enye inkazana, Camagu, Nkosi yam, tîna nalenkazana sihlala ndlwini-nye, ndazala, ndinayo kulondlu.

18 Kwatî ngosuku lwesitâtû ndizele, yazala nayo lenkazana, sindawo-nye-ke; kwaye kungekô mntu wasemzini unatî kulondlu, sisodwa tîna sobabini kulondlu.

19 Wafa unyana walenkazana ebusuku, ngokusuka ilale pêzu kwakê.

20 Yavuka pâkatî kobusuku, yamtâbatâ unyana wam ecaleni lam, elele umkônzazana wakô lo, yamlalisa esifubeni sayo, yatî unyana wayo ofileyo yamlalisa esifubeni sam.

21 Ndavuka kusasa, ukuba ndimanyise unyana wam, O! ufile; ndaza ndamgqala kusasa, yinile, asingunyana wam endamzalayo.

22 Yatî enye inkazana, Hayi, ngunyana wam lo uhleliyo, unyana wakô ngulowa ufileyo. Itî leya, Hayi; unyana wakô ngulowa ufileyo, unyana wam nguló uhleliyo. *Benjenjalo* ukutêtâ pâmbî kokumkani.

23 Watî ukumkani, Le itî, Ngunyana wam lo uhleliyo, unyana wakô ngulowa ufileyo; leya itî, Hayi, unyana wakô ngulowa ufileyo, ngunyana wam lo uhleliyo.

24 Watî ukumkani, Nditâbatêleni iṙele. Balizisa-ke iṙele pâmbî kokumkani.

25 Watî ukumkani, Mcandeni kubini lomntwana uhleliyo, niyinike isahlulo enye, niyinike isahlulo enye.

26 Yatêtâ lenkazana ungowayo unyana ohleliyo kukumkani, (ngokuba ibisikwa yimfesane ngonyana wayo,) yatî, Camagu, Nkosi yam, seniyinika lomntwana uhleliyo; musan' ukumbulala, afe. Ke enye le yatî, Makangabi ngowam, makangabi ngowakê; mcandeni.

27 Wapêndula ukumkani, watî, Mnikeni leya umntwana ohleliyo, ningambulali; nguye unina.

28 Asiva onke ama-Sirayeli isigwebo, agwebe ngaso ukumkani; amoyika ukumkani; ngokuba ayebona ukuba ubulumko buka-Tîxo bupâkatî kwakê, ukuba enze isigwebo.

4 Ukumkani u-Solomon waba ngukumkani wama-Sirayeli onke.

2 Ngabo aba-ke abatêtêli abe nabo; ngu-Azariya unyana ka-Tsadoki umenzeleleli;

3 Ngo-Elihorefe no-Ahiya onyana baka-Shisha ababâlî; ngu-Yehoshafati unyana ka-Ahîludi umkûmbûzi wezinto zakomkûlu;

4 Ngu-Benaya unyana ka-Yehoyada o-

Digitized by Google

bepêtê umkôsi; ngo-Tsadoki no-Abiyatare abanzeleleli;

5 Ngu-Azariya unyana ka-Natan obepêtê abongameli; ngu-Zabudi unyana ka-Natan umenzeleleli, obe ngumhlobo wokumkani;

6 Ngu-Ahishare obepêtê indlu, ngu-Adoniram unyana ka-Abeda obepêtê abafakwa uviko.

7 U-Solomon ube nabongameli abalishumi elinababini pêzu kwama-Sirayeli onke, abebemxâsa ukumkani nendlu yakê: elowo ubexâsa ngenyanga yakê ngonyaka.

8 Ngawo-ke la amagama abo; ngu-Benhure wakwelentaba lakwa-Efrayim;

9 Ngu-Bendekere e-Makatse, nase-Shahalebim, nase-Bete-shemeshe, nase-Elonbete-hanan;

10 Ngu-Ben-hesede e-Aruboti; yayikuye i-Soko, nelizwe lonke lakwa-Hefere;

11 Ngu-Ben-abinadabi ezindulini zonke zase-Dore, u-Tafati intombi ka-Solomon ibingumkakê;

12 Ngu-Bahana unyana ka-Ahiludi e-Tahanaki nase-Megido, nase-Bete-shehan yonke esecaleni lase-Tsaretan, ezantsi kwe-Yizereli, kwatâbatêla e-Bete-shehan, kwesa e-Abele-mehola, kwesa ele kowakwa-Yokemeham;

13 Ngu-Ben-gebere e-Ramoti yase-Giliyadi, enamagxamesi akwa-Yahire unyana ka-Manase, ase-Giliyadi, enommandla wase-Argobi ose-Bashan: amashumi amatândatû emizi emikûlu, enendonga nemivalo yobêdu;

14 Ngu-Ahinadabi unyana ka-Ido, e-Mahanayim;

15 Ngu-Ahimahatse kwa-Nafetali: yena kananjalo wazeka u-Basemati intombi ka-Solomon, yangumkakê;

16 Ngu-Bahana unyana ka-Hushayi, kwa-Ashere nase-Aloti;

17 Ngu-Yeboshafati unyana ka-Paruwa, kwa-Isakare;

18 Ngu-Shimehi unyana ka-Ela, kwa-Benyamin;

19 Ngu-Gebere unyana ka-Uri, elizweni lase-Giliyadi, ezweni lakwa-Sihon ukumkani wama-Amori, no-Ogi ukumkani wase-Bashan; ekupêla komongameli obe kwelozwe.

20 Ama-Yuda nama-Sirayeli ebe maninzi, enjengentlabati engaselwandle ukuba maninzi, esidla, esela, evuya.

21 U-Solomon ubelaula ezikumkanini zonke, etâbatêla kuwo um-Lambô, naselizweni lama-Filisti, wesa nasemdeni we-Yiputa, zisisa iminikelo, zimkônza u-Solomon yonke imihla yobomi bakê.

22 Ke ukudla kuka-Solomon kwaminina bekungamashumi omatâtû e-kore[1] zomgubo onengiweyo, namashumi omatândatû e-kore zomgubo,

23 Ishumi lenkomo ezityetyisiweyo, namashumi omabini enkomo zasemadlelweni, nekûlu lempahl' emfutshane, ewodwa amaxâma, namabâdi, namanqa, nenkuku ezityetyisiweyo.

24 Ngokuba ube nobukosi kulo lonke elipêsheya kwawo um-Lambô, litâbatêla e-Tifesa lesa e-Gaza, kokumkani bonke ababepêsheya kom-Lambo; waye noxolo ngenxa zonke kuye.

25 Ahlala ama-Yuda nama-Sirayeli ekôlosile, elowo ehleli pântsi kom-diliya wakê napântsi komkiwane wakê, etâbatêla kwa-Dan esa e-Bersheba, yonke imihla ka-Solomon.

26 U-Solomon waye namawaka amane emikûmbi yezi-tali zamahashe enqwelo zakê, neshumi elinamabini lamawaka amahashe akwelwayo.

27 Abobongameli babemxâsa ukumkani u-Solomon, nabo bonke abasondela e-tafileni yokumkani u-Solomon, elowo exâsa ngenyanga yakê; bekungasweleki nto.

28 I-fasi nomququ wamahashe, nowazimbâleki bebeyizisa endaweni apô ibifanele ukuba kôna, elowo njengokumiselwa kwakê.

29 U-Tixo wamnika-ke u-Solomon ubulumko nengqondo ngokuninzi kunene, nobubanzi bentliziyo, njengentlabati eselunxwemeni lolwandle.

30 Ubulumko buka-Solomon bebubuninzi ngapêzu kobulumko bonyana bonke basempumalanga, napêzu kobulumko bonke bama-Yiputa.

31 Ubelumkile ngapêzu kwabantu bonke, ngapêzu ko-Etan um-Ezera, no-Heman, no-Kalekole, no-Darda, onyana baka-Maholi; igama lakê belisezintlangeni zonke ngenxa zonke.

32 Watêtâ amawaka amatâtû emizekeliso; zatî nengoma zakê zaliwaka elinantlanu.

33 Watêtâ ngemitî, etâbatêla kum-sedare wase-Lebanon, ase nakwi-hisope epûma e-

[1] I-kore isi-kwarte esimakulu matâtû.

Digitized by Google

ludongeni; watêtâ nangenkomo, nangentaka, nangezinambûzane, nangentlanzi.

34 Bebevela ezintlangeni zonke, beza kuva ubulumko buka-Solomon, bevela kokumkani bonke bomhlaba, abebebuvile ubulumko bakê.

5 Watûma-ke u-Hiram ukumkani waseTire abakônzi bakê ku-Solomon; kuba ubevile, ukuba utânjisiwe ukuba abe ngukumkani esikûndleni sikayise; ngokuba u-Hiram ubehleli emtânda u-Davide yonke imihla.

2 Watûmela u-Solomon ku-Hiram, esitî,

3 Uyazi wena ukuba u-Davide ubawo ubenge nakô ukulakêla igama lika-Yehova u-Tîxo wake indlu, ngenxa yentshaba ebezimjikelezile, wada u-Yehova wazibeka ngapântsi kwentende zenyawo zakê.

4 Kaloku-ke undipûmzile u-Yehova u-Tîxo wam ngenxa zonke; akukô lutshaba, akukô sihlo sibi.

5 Uyabona, nditî ndiza kulakêla indlu igama lika-Yehova u-Tîxo wam, njengoko wakutêtâyo u-Yehova ku-Davide ubawo, esitî, Unyana wakô, endiya kumbeka esikûndleni sakô e-troneni yakô, nguye oya kulakêla indlu igama lam.

6 Ngoko-ke wisa umtêtô, bandigaulele imi-sedare e-Lebanon; abakônzi bam babe nabakônzi bakô; ndikunike umvuzo wabakônzi bakô njengakô konke owokutêtâ; ngokuba uyazi wena, ukuba kutî apâ akukô ndoda ikwaziyo ukugaula imitî njengama-Tsidon.

7 Kwatî, akuweva u-Hiram amazwi ka-Solomon, wavuya kunene, watî, Makabongwe u-Yehova namhla, omnikileyo u-Davide unyana olumkileyo wokubapâtâ ababantu baninzi kangaka.

8 Watûmela u-Hiram ku-Solomon, esitî, Ndikuvile oko unditûmele kôna; ndokwenza konke ukutânda kwakô mna ngemi-sedare nangemi-sipres.

9 Abakônzi bam boyihlisa e-Lebanon, bayise elwandle; ndiyihlanganise ndiyidadise elwandle, ndiyise kulondawo wondimisela yona, ndiyikûlule kôna, uyitâbatê kôna; ke wena wenze ukutânda kwam ngokuyinika ukudla indlu yam.

10 Waye-ke u-Hiram emnika u-Solomon imi-sedare nemi-sipres ngangokutânda kwakê konke.

11 U-Solomon wamnika u-Hiram amashumi amabini amawaka e-kore zenqôlowa, ukuba idle indlu yakê; namashumi omabini e-kore ze-oli enqûshiweyo: wenje njalo-ke u-Solomon ukumnika u-Hiram iminyaka ngeminyaka.

12 U-Yehova wamnika ubulumko u-Solomon, njengoko wayekutêtîle kuye; lwaba luxolo pâkatî ko-Hiram no-Solomon; benza umnqopiso bobabini.

13 Ukumkani u-Solomon wahlahla abafakwa uviko kuma-Sirayeli onke; abo bafakwa uviko bebe ngamashumi omatâtû amawaka amadoda.

14 Wabatûma e-Lebanon, ishumi lamawaka ngenyanga bekûlulana; inyanga enye babese-Lebanon, inyanga ezimbini babesekâya; ke u-Adoniram ubepêtê abo bafakwa uviko.

15 U-Solomon ebe namashumi asixénxe amawaka atwala imitwalo, namashumi osibôzo amawaka abeqingqa *amatye* ezintabeni;

16 Bebodwa abatêtêli abangabongameli baka-Solomon ababewupêtê umsebenzi, bengamawaka amatâtû anamakûlu matâtû, ababe nobukôsi ebantwini ababewusebenza lomsebenzi.

17 Wawisa umtêtô ukumkani, bembâ amatye amakûlu, amatye anqabileyo, amatye aqingqweyo okuseka indlu.

18 Baqingqa-ke abakî baka-Solomon nabakî baka-Hiram nabase-Gebali, balungisa imitî namatye okuyakâ indlu.

6 Kwatî, ngomnyaka wamakûlu omane anamanci asibôzo bepûmile onyana baka-Sirayeli ezweni lama-Yiputa, ngomnyaka wesine u-Solomon engukumkani kuma-Sirayeli, ngenyanga engu-Zivi, eyinyanga yesibini, wamakêla u-Yehova indlu leyo.

2 Londlu ukumkani u-Solomon wamakêlayo u-Yehova ibizi-kubite ezimashumi matândatû ubude bayo, izi-kubite ezimashumi mabini ububanzi bayo, izi-kubite ezimashumi matâtû ukupâkama kwayo.

3 I-varanda ebipâmbî kwe-bôtwe lendlu ibi-zikubite ezimashumi mabini, ubude bayo bungangobubanzi bendlu; ibi-zikubite ezilishumi ububanzi bayo pâmbî kwendlu;

4 Ke indlu wayenzela i-festile ezinamanqwanqwa atê-nqi.

5 Wakâ eludongeni lwendlu umayamo ngenxa zonke; ezindongeni zendlu ngenxa

Digitized by Google

zonke, ezo zebôtwe nezendawo yezihlabo, wenza i-kambîli emacaleni ngenxa zonke;

6 Udidi olupântsi beluzi-kubite ezintlanu ububanzi balo; olupâkatî beluzi-kubite ezintandatû ububanzi balo; olwesitâtû beluzi-kubite ezisixênxe ububanzi balo; ngokuba wenza inqâmeko endlwini ngapândle wajikelezisa, ukuze *imiqadi* ingafakwa ezindongeni zendlu.

7 Indlu ekwakîweni kwayo yakîwa ngamatye aselegqityiwe ukulungiswa endaweni ambîwa kuyo; izando nezixôlo, zonke impahla zesinyiti azivakalanga kulondlu ekwakîweni kwayo.

8 Umnyango we-kambîli epâkatî ubusecaleni lasekunene lendlu; kwenyukwa ngezinyuko ezizungulezayo ukuya kweyolupâkatî *udidi*, nokusuka kulo kuyiwe kweyolwesitâtû.

9 Wayakâ-ke indlu, wayigqiba, wayifulela ngemiqadi ne-planga zemi-sedare.

10 Wakâ-ke umayamo endlwini yonke, wazi-kubite ezintlanu ukupâkama kwawo; wabambêlela endlwini ngemi-sedare.

11 Lafika ilizwi lika-Yehova ku-Solomon, lisiti,

12 Ngalendlu uyakâyo wena, ukuba utê wahambâ ngemimiselo yam, wawenza amasiko am, wayigcina yonke imitêtô ngokuhambâ ngayo: ndolimisa kuwe ilizwi lam, endalitêtâyo ku-Davide uyihlo;

13 Ndihlale pâkatî konyana baka-Sirayeli, ndingabashiyi abantu bam ama-Sirayeli.

14 Wayakâ-ke u-Solomon indlu, wayigqiba.

15 Wazakâ indonga zendlu ngapâkatî nge-planga zemi-sedare, etâbatêla emgangatweni wesa emiqadini yopâhla; waleka ngemitî ngapâkatî, wawaleka umgangatô wendlu nge-planga zemi-sipres.

16 Wakâ i-kubite ezimashumi mabini, etâbatêla ezimpundwini zendlu, nge-planga zemi-sedare, etâbatêla emgangatweni wesa emiqadini; wazakêla yona ngapâkatî indawo yezihlabo, ingcwele kangcwele.

17 Yayingamashumi amane e-kubite indlu leyo ilibôtwe elingapâmbili.

18 Yayimi-sedare kulendlu ngapâkatî, ilufolo lwamatângazana nentyantyambô ezitê-bênqe; yangum-sedare yonke; akwabonakala litye.

19 Walungisa indawo yezihlabo endlwini ngapâkatî, ukuba ubekwe kôna umkômbê womnqopîso ka-Yehova.

20 Umpâkatî wendawo yezihlabo ubuzikubite ezimashumi mabini ubude bawo, uzi-kubite ezimashumi mabini ububanzi bawo, uzi-kubite ezimashumi mabini ukupâkama kwawo; wawaleka nge-golide etêshinyi, wasaleka nesibingelelo ngom-sedare.

21 Wayaleka-ke u-Solomon indlu ngapâkatî nge-golide etê-shinyi, wavala ngemixokelelwane ye-golide ngapâmbî kwendawo yezihlabo, wasaleka nge-golide.

22 Wayaleka nge-golide yonke-ke indlu, wada wayigqiba yonke indlu; nesibingelelo sonke ebesisendaweni yezihlabo wasaleka nge-golide.

23 Endaweni yezihlabo wenza i-kerubi zambîni ngeminquma: zalishumi le-kubite ukupâkama kwazo.

24 Belizi-kubite ezintlanu elinye ipîko le-kerubi, belizi-kubite ezintlanu elesibini ipîko le-kerubi: zaba zi-kubite ezilishumi, zitâbatêla encamini yelinye ipîko layo, zise encamini yelinye ipîko layo.

25 Ibi-zikubite ezilishumi neyesibini i-kerubi: ubu-mnye umlinganiso, kuku-nye ukubonakala kwe-kerubi zombîni.

26 Ukupâkama kwenye i-kerubi beku-zikubite ezilishumi, bekunjalo nokweyesibini i-kerubi.

27 Wazibeka i-kerubi-ezo ngapâkatî kwengapâkatî indlu; oluka amapîko ekerubi: lafikelela ipîko lenye eludongeni, latî ipîko le-kerubi yesibini lafikelela kolunye udonga; aza amapîko azo afikelelana esazulwini sendlu: elinye ipîko lafikelela kwelinye ipîko.

28 Wazaleka i-kerubi ezo nge-golide.

29 Watî zonke indonga zendlu ngenxa zonke wazifola imifolo, zanemifolo ye-kerubi namasundu nentyantyambô ezitêbênqe, ngapâkatî nangapândle.

30 Umgangatô wendlu wawaleka nge-golide ngapâ nangapâ.

31 Umnyango wendawo yezihlabo wawenzela ingcango ngeminquma; ulunqû lwemigubasi belusisahlulo sesihlanu sodonga.

32 Ingcango zombîni bezizezomnquma; wazifola ngemifolo ye-kerubi namasundu nentyantyambo ezitê-bênqe, wazaleka nge-golide; eyihambîsa i-golide pêzu kwe-kerubi namasundu.

33 Wenje-nje ukuwenzela umnyango webôtwe imigubasi ngeminquma, esisahlulo sesine sodonga.

Digitized by Google

34 Ingcango zombíni wazenza ngemisipres; amapíko omabini olunye ucango aba ngajingayo, amapíko omabini olwesibini ucango aba ngajingayo.

35 Wařola kuwo i-kerubi namasundu nentyantyambo ezitê-bênqe, waleka nge-golide, yagudiswa emirolweni.

36 Waká intendelezo engapâkatí ngengcambá ezintâtû zamatye aqingqiweyo, nangengcambá zemi-sedare ecwéliweyo.

37 Yasekwa ngomnyaka wesine ngenyanga engu-Zivi indlu ka-Yehova;

38 Ngomnyaka weshumi elinamnye, ngenyanga engu-Buli, eyinyanga yesibôzo leyo, yagqitywa londlu ezintweni zayo zonke, nasezimfanelekweni zayo zonke. Wayaká ngeminyaka esixênxe.

7 Eyaké indlu u-Solomon wayaká ngeminyaka elishumi elinamitâtû, wayigqiba indlu yaké yonke.

2 Kuba waká nendlu yehlatí lase-Lebanon: yalikûlu le-kubite ubude bayo, yangamashumi omahlanu e-kubite ububanzi bayo, yangamashumi amatâtû e-kubite ukupâkama kwayo, pézu kwemirozo emine yentsika zom-sedare, ezinemiqadi ecwéliweyo yemi-sedare pézu kwentsika-ezo.

3 Yafulelwa ngemi-sedare pézulu, pézu kwe-kambíli ebezipézu kwentsika ezingamashumi amane anantlanu; zalishumi elinantlanu lurozweni lunye.

4 Imiqadi ibiyiniřozo emitâtû, iřoba likângelene neřoba katâtû.

5 Zonke ingcango nemigubasi yayimbômbô-nè, iyimitî; iřoba lilunge neřoba katâtû.

6 Wenza i-varanda yentsika: yazi-kubite ezimashumi mahlanu ubude bayo, nekubite ezimashumi matâtû ububanzi bayo, zine-varanda engapâmbí kwazo, nentsika nezinyuko pâmbí kwazo.

7 Wenza ne-varanda ye-trone, apô ebetêtâ kôna amatyala, iyi-varanda yamatyala, wayifulela ngemi-sedare, etâbatêla komnye umgangatô wesa komnye umgangatô.

8 Indlu yaké abehlala kuyo, ekwenye intendelezo pâkatí ngase-varandeni, yasetyenzwa kwa ngokunjalo. Wayenzela indlu intombí ka-Faro, awayizekayo u-Solomon, yanjengalo-varanda.

9 Zonke ezonto bezizezamatye anqabileyo, aqingqwe ngokomlinganiso, asafiweyo ngesafa, ngapâkatí nangapândle; etâbatêle elusekweni esa elunqwini, etâbatêle nangapândle esa entendelezweni enkulu.

10 Useko lwalungamatye anqabileyo, amatye amakûlu, amatye e-kubite ezilishumi, amatye e-kubite ezisibôzo.

11 Ngapézulu yabingamatye anqabileyo, aqingqwe ngokomlinganiso, nemi-sedare.

12 Intendelezo enkulu ejikelezayo yayinengcambá ezintatû zamatye aqingqiweyo, nocambá lwemi-sedare ecwéliweyo; njengentendelezo engapâkatí yendlu ka-Yehova ne-varanda yendlu-leyo.

13 Watûmela ukumkani u-Solomon, watâbatá u-Hiram e-Tire.

14 Yena ebe ngunyana womhlolokazi wesizwe sakwa-Nafetali, uyise ebe ngum-Tire; incíbi yobêdu; wayezele bulumko nayingqondo nakukwazi ukwenza yonke imisebenzi yobêdu. Weza-ke kukumkani, kû-Solomon, wayenza yonke imisebenzi yaké.

15 Wayila intsika zambíni zobêdu: zalishumi elinesibôzo i-kubite ukupâkama kwentsika inye, nomtya ozi-kubite ezilishumi elinambini ukutândela intsika inye.

16 Wenza inqûkuva zambíni ngobêdu olutyidiweyo zokubekwa emantloko entsika-ezo: ukupâkama kwenqûkuva enye kuzi-kubite ezintlanu, ukupâkama kwenqûkuva yesibini kuzikubite ezintlanu.

17 Wenza iminatâ umsebenzi ongupînyepînye, nezidanga umsebenzi osontelwe ezinqûkuveni, ezisemantloko entsika-ezo: yasixênxe kwenye inqûkuva, yasixênxe kweyesibini inqûkuva.

18 Wenza-ke i-farnate, imirozo emibini yokuwujikeleza omnye umnatâ, yokugubungela inqûkuva ezisemantloko entsika; wenje njalo nakweyesibini inqûkuva.

19 Inqûkuva ezisemantloko entsika-ezo bezingumsebenzi oyinyibiba, ngokwe-varanda, zizi-kubite ezine;

20 Inqûkuva ezisezintsikeni-ezo zombíni, wazenza nangapézulu, kufupí nesisu esalekwe ngomnatâ, ne-farnate ezimakûlu mabini zirozile zajikeleza enqûkuveni yesibini.

21 Wazimisa intsika e-varandeni yebôtwe, wayimisa intsika yasekunene, watí igama layo ngu-Zinzisayo; wayimisa intsika yasekôhlo, watí igama layo ngu-Mandl'akuye.

22 Pézu kwentloko zentsika-ezo bekukô

Digitized by Google

umsebenzi wenyibiba. Wagqitywa-ke umsebenzi wentsika.

23 Wenza ulwandle olutŷidiweyo: lwazi-kubite ezilishumi ukusuka kolunye udini lwalo, kuyiwe kolunye udini lwalo, luyinqila ngenxa zonke, lwazi-kubite ezintlanu ukupâkama kwalo; kwajikeleza kulo umtya ozi-kubite ezimashumi matâtû ngenxa zonke.

24 Ngapântsi kodini lwalo ngenxa zonke yangamatângazana alishumi ku-bitini nye, azunguleza ulwandle-olo ngenxa zonke; eyimirozo emibini amatângazana, atŷidwa nalo ekutŷidweni kwalo.

25 Lwema pêzu kwenkomo ezilishumi elinambîni: ezintâtû zibêke e-Ntla, ezintâtû zibêke entshonalanga, ezintâtû zibêke e-Zantsi, ezintatû zibêke empumalanga; ulwandle lubekwe kuzo ngapézulu, imiva yazo zonke isinge pâkatî.

26 Ubungqingwa balo bebungangobubanzi besandla; udini lwalo belwenziwe lwanjengodini lwendebe, lwanentyantyambo zenyibiba; lulingene amawaka amabini e-bâte.[1]

27 Wenza inqwelana zalishumi ngobêdu: bazi-kubite ezine ubude benqwelana inye, bazi-kubite ezine ububanzi bayo, kwazi-kubite ezintatû ukupâkama kwayo.

28 Kwakunje ukwenziwa kwenqwelana: zazine-panele pâkatî kwemiqêle,

29 Napézu kwe-panele ezipâkatî kwemiqêle ibizingonyama nenkomo ne-kerubi; napézu kwemiqêle bekukô useko ngapézulu; ngapântsi kwengonyama nenkomo bekukô izidanga, umsebenzi ojingayo.

30 Inqwelana inye yabine-vili ezine zobedu ne-asi zobêdu; inyawo zazo zozine zazinamagxa; ngapântsi kwezitya zokuhlambêla ingamagxa-lawo atyîdiweyo, ngapâya kwelinye ibizizidanga.

31 Umlomo wayo ubusesazulwini sesiciko uyi-kubite ukupâkama kwawo; umlomo wesiciko uyinqila, senziwe ngokwenziwa koseko; siyi-kubite enesiqingatâ se-kubite *ububanzi;* nasemlonyeni waso kwakukô imirolo; i-panele zaso zazimbômbô-nè, azabi zinqila.

32 Ngapântsi kwe-panele yabizi-vili ezine, i-lwensi ze-vili-ezo bezimi enqwelaneni; ukupâkama kwe-vili kwakuyikubite nesiqingatâ se-kubite.

33 Ukwenziwa kwe-vili bekunjengokwenziwa kwe-vili zenqwelo zonke; i-lwensi zazo, ne-feleni zazo, nezi-peki zazo, nenafu zazo bezitŷidwe zonke.

34 Amagxa omane abe sezimbômbêni zone zenqwelana, emilile enqwelaneni amagxa lawo.

35 Empézulwini wenqwelana kwakukô inqila ngenxa zonke: ukupâkama kwawo kusisiqingatâ se-kubite; pêzu kompézulu wenqwelana kwapûma into zokubambâ ne-panele.

36 Emacebeni azo okubambâ, nasezipaneleni zawo warola i-kerubi nengonyama namasundu, ngangebala lalo elinye, nezidanga ngenxa zonke.

37 Wenje njalo ukuzenza inqwelana ezilishumi: waba mnye umtŷido, waba mnye umlinganiso, kwakunye ukubonakala kwazo zonke.

38 Wenza-ke izitya zokuhlambêla zalishumi ngobêdu; sisinye isitya sokuhlambêla salingana amashumi amane e-bâte: sisinye isitya sokuhlambêla sizi-kubite ezine; sasisitya sokuhlambêla enqwelaneni, sasisitya sokuhlambêla enqwelaneni kuzo zoshumi.

39 Wabeka inqwelana zantlanu ngecala lokunene layo indlu, wabeka zantlanu ngecala lasekôhlo layo indlu; walubeka ulwandle ngecala lokunene layo indlu, lwabêka empumalanga malunga e-Zantsi.

40 U-Hiram wazenza nezitya zokuhlambêla nemihlakulwana nezitya zokutshiza. U-Hiram wagqiba-ke ukuwenza wonke umsebenzi abewenzela ukumkani u-Solomon, wendlu ka-Yehova:

41 Intsika zombîni, nembûmbâ zenqûkuva, ebezisemantloko entsika-ezo zombîni, neminatâ yomibini yokuzunguleza imbûmbâ zombîni zenqûkuva, ebezisemantloko entsika;

42 Ne-farnate ezimakûlu mane zeminatâ yomibini: imirozo emibini ye-farnate kumnatâ umnye yokuzunguleza imbûmbâ ezimbîni zenqûkuva, ebezisezintsikeni;

43 Nenqwelana ezilishumi, nezitya zokuhlambêla ezilishumi ezinqwelaneni;

44 Nolwandle olunye, nenkomo ezilishumi elinambîni ngapântsi kolwandle-olo;

45 Nembîza, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza, nempahla zonke. Zizo ezo izinto u-Hiram awazenzela ukumkani u-Solomon, zendlu ka-Yehova, bezizobêdu olubengezelayo.

[1] I-bâte izi-kwarte ezimashumi matâtû.

Digitized by Google

46 Ukumkani wazityidela emmandleni we-Yordan, emhlabeni oludongwe, pakatí kwe-Sukoti ne-Tsaretan.

47 Waziyeka u-Solomon zonke impahla *zingalinganiswanga*, ngokuba bezizininzi kakúlu kunene; abafumaneka ubunzima bobédu-olo.

48 Wazenza-ke u-Solomon zonke impahla zendlu ka-Yehova: isibingelelo segolide, ne-tafile ye-golide ebezikuyo izonka zokubonisa;

49 Nezipátó zezibane ze-golide eté-shinyi: zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekóhlo pámbí kwendawo yezihlabo; nentyantyambo, nezibane, nezifinyiso zegolide,

50 Nezi-kotile, nezitshetshe, nezitya zokutshiza, nenkambá, nengcedevu ze-golide eté-shinyi, ne-hinjisi ze-golide zengcango zendlu engapákatí, eyingcwele kangcwele, nezengcango zendlu elibótwe.

51 Wagqitywa-ke wonke umsebenzi, abewenzela indlu ka-Yehova ukumkani u-Solomon. Wazingenisa u-Solomon zonke izinto, abezingcwalisile u-Davide uyise, i-silivere ne-golide, wazibeka impahla-ezo endaweni yobuncwane bendlu ka-Yehova.

8 Waza u-Solomon wawabizela ndawo-nye amadoda amakúlu akwa-Sirayeli, nentloko zonke zezizwe, izikúlu zezindlu zoyise zonyana baka-Sirayeli, kukumkani u-Solomon e-Yerusalem, ukuba bawunyuse umkómbé womnqopíso ka-Yehova, upúme emzini ka-Davide: yi-Tsiyon ke-leyo.

2 Abizelwa ndawo-nye kukumkani u-Solomon onke amadoda akwa-Sirayeli emténdelekweni ngenyanga engu-Etanim: yinyanga yesixénxe ke-leyo.

3 Eza-ke onke amadoda amakúlu akwa-Sirayeli; bawutwala abenzeleleli umkómbé lowo,

4 Benyuka nawo umkómbé ka-Yehova nen-tente yokuhlangana, nempahla zonke zengcwele ebezisen-tenteni; benyuka nazo abenzeleleli naba-Levi.

5 Ke ukumkani u-Solomon nebandla lonke lama-Sirayeli, ebelihlanganiselene kuye, linaye pámbí komkómbé, babingelela impahl' emfutshane nenkomo, ezinge nakubalwa, ezinge nakulinganiswa ukuba zininzi kwazo.

6 Bawungenisa abenzeleleli umkómbé womnqopíso ka-Yehova endaweni yawo, endaweni yendlu yezihlabo, engcwelení kangcwele pantsi kwamapíko e-kerubi.

7 Ngokuba i-kerubi zaziwolulele amapíko pezu kwendawo yomkómbé, i-kerubi zawusitélisa umkómbé nezibonda zawo ngapézulu.

8 Zazizide izibonda, zibonakala incam zezibonda engcweleni pámbí kwendawo yezihlabo, azabonakala ngapándle; zisekóna unanamhla.

9 Kwakungekó nto emkómbéni. yayingamacwecwe amabini amatye kupéla, awawabeka kóna u-Moses e-Horebe, oko u-Yehova wanqopísana nonyana baka-Sirayeli, ekupúmeni kwabo ezweni lase-Yiputa.

10 Kwatí, ekupúmeni kwabenzeleleli engcweleni, lasuka ilifu layizalisa indlu ka-Yehova,

11 Abenzeleleli ababi nakuma balungiselele ngenxa yelifu; ngokuba ubuqaqauli buka-Yehova bayizalisa indlu ka-Yehova.

12 Waza watí u-Solomon, U-Yehova watí, uya kuhlala esitókotókweni.

13 Ukukwakéla ndikwakéle indlu, ukuba ibe yeyokuhlala wena, indawo yokuhlala wena ngonapákade.

14 We-guququ ukumkani, walisikelela lonke ibandla lakwa-Sirayeli, (laye-ke limi lonke ibandla lakwa-Sirayeli).

15 Watí yena, Makabongwe u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, owatétá ngomlomo wakó ku-Davide ubawo, wakuzalisa ngesandla sakó, esití,

16 Kususela kwimini yokubakúpá kwam abantu bam ama-Sirayeli e-Yiputa andinyulanga mzi ezizweni zonke zakwa-Sirayeli wokwaká indlu, yokuba libe kóna igama lam; ndanyula u-Davide ukuba abe pézu kwabantu bam ama-Sirayeli.

17 Kwaye kukó entliziyweni ka-Davide ubawo ukutí alakéle indlu igama lika-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli.

18 Watí u-Yehova ku-Davide ubawo, Ngenx' enokuba kwakukó entliziyweni yakó ukutí ulakéle indlu igama lam, walungisa ngokutí kubekó oko entliziyweni yakó;

19 Noko-ke akusokuyaká indlu wena; unyana wakó opúma esinqeni sakó, nguye oya kulakéla indlu igama lam.

20 Ulimisile-ke u-Yehova ilizwi lakó a-

Digitized by Google

walitêtâyo; ndivelile endaweni ka-Davide ubawo, ndahlala e-troneni yakwa-Sirayeli, njengoko wakutêtâyo u-Yehova; ndalakêla indlu igama lika-Yehova u-Tîxo ka Sirayeli.

21 Ndayimisela kôna indawo yomkômbê, apô ukôna umnqopîso ka-Yehova, awawenzayo nobawo betû, ekubakûpêni kwakê ezweni lase-Yiputa.

22 Wema-ke u-Solomon pâmbî kwesibingelelo sika-Yehova, ebusweni bebandla lonke lama-Sirayeli, wazolulela ezulwini izandla zakê,

23 Watî, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, akukô tîxo unjengawe, ezulwini pêzulu nasemhlabeni pântsi, ubagcinelayo umnqopîso nenceba abakônzi bakô abahambâ pâmbî kwakô ngentliziyo yabo yonke;

24 Umgcineleyo umkônzi wakô u-Davide ubawo oko wakutêtâyo kuye; wakutêtâ ngomlomo wakô, wakuzalisa ngesandla sakô, njengoko kunjalo namhla.

25 Kaloku, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, mgcinele umkônzi wakô u-Davide ubawo oko wakutêtâyo kuye, usitî, Akuyi kunqunyukelwa ndoda ebusweni bam yokuhlala e-troneni yakwa-Sirayeli; ukuba kodwa batê onyana bakô bayigcina indlela yabo, bahambâ pâmbî kwam, njengoko uhambê pâmbî kwam wena.

26 Kaloku, Tîxo ka-Sirayeli, makanyaniseke amazwi akô, owawatêtâyo kumkônzi wakô u-Davide ubawo.

27 Gxebe u-Tîxo angade ahlale emhlabeni-na? Yabona, izulu, izulu lawo amazulu alikulingene, hina-ke yona lendlu ndiyakîleyo!

28 Noko-ke kunonelele ukutândaza komkônzi wakô, nokutafuzisa kwakê, Yehova Tîxo wam, ukupûlapûle ukumemelela nokutândaza, atândaza ngakô umkônzi wakô pâmbî kwakô namhla;

29 Ukuba amehlo akô akângele kulendlu ubusuku nemini, kwindawo otê, Liya kuba kuyo igama lam: upûlapûle umtândazo atândaza ngawo umkônzi wakô kulendawo.

30 Pûlapûla ukutafuzisa komkônzi wakô, nabantu bako ama-Sirayeli, abaya kutândaza ngakô kulendawo; uve-ke wena endaweni ohlala kuyo ezulwini; uve-ke, uxolele.

31 Xa atê umntu wôna uwabo, watâliswa isifungo, wafungiswa, weza wafunga pâmbî kwesibingelelo sakô kulendlu:

32 Yiva-ke wena ezulwini, wenze ugwebe kubakônzi bakô, umgwebe ongendawo, uyibeke indlela yakê entloko yakê, umgwebele olilungisa, umnike ngokobulungisa bakê.

33 Xa batê abantu bakô, ama-Sirayeli, boyiswa zintshaba zabo, kuba bekônile, baza babuyela kuwe, balivuma igama lakô, batândaza batafuzisa kuwe bekulendlu:

34 Yiva-ke wena ezulwini, usixolele isono sabantu bakô ama-Sirayeli, ubabuyisele emhlabeni owawunika oyise.

35 Xa litê izulu lavalwa, akwabikô mvula, kuba bekonile, baza batândaza bekulendawo, balivuma igama lakô, babuya esonweni sabo, ngokuba ubacinezele:

36 Yiva-ke wena ezulwini, usixolele isono sabakônzi bakô, abantu bakô ama-Sirayeli, ngokuba, ubafundisa indlela elungileyo abakuhambâ ngayo, unise imvula ezweni lakô, olinike abantu bakô ukuba libe lilifa.

37 Xa kutê kwakô indlala elizweni, xa kutê kwakô indyikitya yokufa, xa kutê kwakô imbâbala, nexoshombâ, nenkumbî ezinqunqutâyo; xa zitê intshaba zabangqinga elizweni, emizini yabo; nokuba sisipî isibetô, nokuba sisipî isifo esitê sakô:

38 Ukutândaza, nokutafuzisa nokuba kukupî okutê kwenziwa ngubani nokuba ngabantu bakô bonke ama-Sirayeli, abatê basazi elowo isibetô sentliziyo yakê, bazolulela kulendlu izandla zabo:

39 Yiva-ke wena ezulwini, endaweni ohlala kuyo, uxolele; wenze, umnike elowo ngokwendlela zakê zonke, ngokuyazi kwakô intliziyo yakê: (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo intliziyo zonyana bonke baka-Adam),

40 Ukuze bakoyike yonke imihla abahleli ngayo emhlabeni owawunika obawo.

41 Kananjalo owolunye uhlanga, ongengowabantu bakô ama-Sirayeli, xa atê wavela ezweni elikude ngenxa yegama lakô;

42 (Ngokuba baya kuliva igama lakô elikûlu, nesandla sakô esitê-nâi, nengalo yakô eyolulweyo;) weza-ke lowo, watândaza ekulendlu:

43 Yiva-ke wena ezulwini, endaweni ohlala kuyo, wenze ngako konke atê wakunqula owolunye uhlanga, ukuze zonke izizwe zomhlaba zilazi igama lakô, zikoi

Digitized by Google

yike njengabantu bakô ama-Sirayeli, zazi ukuba ibizwe ngegama lakô lendlu ndiyakîleyo,

44 Xa batê abantu bakô bapûma, baya kulwa notshaba lwabo, ngendlela obatûme ngayo, batândaza ku-Yehova, bebêkisa kulomzi uwunyulileyo, nakulendlu ndiyakêle igama lakô:

45 Yiva-ke ezulwini ukutândaza kwabo nokutafuzisa kwabo, ubagwebele.

46 Xa batê bakôna, (ngokuba akukô mntu ungôniyo), wanomsindo, wabanikela elutshabeni, batî abatîmbî babatîmbâ, babasa ezweni lotshaba-olo, nokuba likude nokuba likufupî,

47 Baza bakunyamekela oko ngentliziyo kwelozwe batînjelwe kulo, babuya, batafuzisa kuwe ezweni lababatîmbîleyo, besitî, Sonile, sagwenxa, senza okungendawo,

48 Babuyela kuwe ngentliziyo yabo yonke nangompêfumlo wabo wonke, bekwelozwe lentshaba zabo ezibatîmbîleyo, batândaza kuwe, bebêkise elizweni labo owalinika oyise, kulomzi uwunyulileyo, kulendlu ndiyakêle igama lakô:

49 Yiva-ke ezulwini, endaweni ohlala kuyo, ukutândaza kwabo nokutafuzisa kwabo, ubagwebele,

50 Ubaxolele abantu bako ngokokôna, nokufeqa kwabo konke abafeqe ngakô kuwe, ubenzele imfesane pâmbî kwababatîmbîleyo, basikwe bona yimfesane ngabo;

51 Ngokuba ngabantu bakô, nelifa lakô, owabakûpâyo e-Yiputa ezikweni lesinyiti;

52 Ukuba amehlo akô akângele ekutafuziseni komkônzi wakô, nasekutafuziseni kwabantu bakô ama-Sirayeli, ukuba ubeve ekukunquleni kwabo konke;

53 Ngokuba wabahlula wena ezizweni zonke zomhlaba, ukuba babe lilifa lakô, njengoko wakutêtâ ngo-Moses umkônzi wakô, ekubakûpâni kwakô obawo e-Yiputa, Nkosi Yehova. .

54 Kwatî xa agqibileyo ukutândaza u-Solomon ku-Yehova konke okokutândaza nokutafuzisa, wesuka pâmbî kwesibingelelo sika-Yehova ekuguqeni ngamadolo akê, ezolulele ezulwini izandla zakê,

55 Wema, walisikelela lonke ibandla lakwa-Sirayeli ngezwi elikûlu, watî,

56 Makabongwe u-Yehova, obanike ukupûmla abantu bakê ama-Sirayeli, njengoko konke wakutêtâyo; akwapâlala nalinye ilizwi kuwo onke amazwi akô alungileyo, awawatêtâyo ngo-Moses umkônzi wakê.

57 U-Yehova u-Tîxo wetû makabe natî, njengokuba waye nobawo betû; angasishiyi, angasilahli;

58 Ukuze ayitôbele kuye intliziyo yetû, sihambê ngendlela zakê zonke, sigcine imitêtô yakê, nemimiselo yakê, namasiko akê, njengoko abebawisele umtêtô ngako obawo.

59 Makatî nalamazwi am, nditafuzisileyo ngawo pambî ko-Yehova, asondele ku-Yehova u-Tîxo wetû, imini nobusuku, ukuba amgwebele umkônzi wakê, abagwebele abantu bakê ama-Sirayeli, indawo yemini ngangemini yayo;

60 Ukuze zazi zonke izizwe zomhlaba, ukuba u-Yehova nguye u-Tîxo, akukô wumbî.

61 Mayipêlele intliziyo yenu ku-Yehova u-Tîxo wetû, ukuba nihambê ngemimiselo yakê, niyigcine imitêtô yakê, njengoko kunjalo namhla.

62 Waye-ke ukumkani, nama-Sirayeli onke kunye naye, ebingelela imibingelelo pâmbî ko-Yehova.

63 Wabingelela-ke u-Solomon imibingelelo yokubulela, awayibingelelayo ku-Yehova; amashumi amabini anesibini amawaka enkomo, ikûlu elinamanci amabini amawaka empahl' emfutshane. Bayisungula-ke indlu ka-Yehova ukumkani-lowo nonyana bonke baka-Sirayeli.

64 Ngalomini ukumkani wawungcwalisa umpâkatî wentendelezo epâmbî kwendlu ka-Yehova; ngokuba wenza kôna idini elinyukayo, nomnikelo wokudla, namanqatâ emibingelelo yokubulela; kuba isibingelelo sobêdu esipâmbî ko-Yehova besisincinane, singe nakulamkela idini lonke elinyukayo, nomnikelo wokudla, namanqatâ emibingelelo yokubulela.

65 Ngeloxesha u-Solomon wenza umtêndeleko, enama-Sirayeli onke, ibandla elikûlu, elitâbatêle ekungeneni kwe-Hamati, lesa emlanjeni wase-Yiputa, pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wetû, intsuku ezisixênxe nentsuku ezisixênxe, zazintsuku ezilishumi elinesine.

66 Ngosuku lwesibôzo wabandlulula abantu. Bambonga ukumkani, baya-ke ezin-tenteni zabo, bevuya, becwayitile ngenxa yokulunga konke, awakwenzayo u-

Digitized by Google

Yehova ku-Davide umkônzi wakê, nakuma-Sirayeli abantu bakê.

9 Kwatî, akugqiba u-Solomon ukuyakâ indlu ka-Yehova, nendlu yokumkani, nako konke abe kulangazelele u-Solomon, abenqwenela ukwenza kôna;

2 Wabonakala u-Yehova ku-Solomon okwesibini, njengoko wayebonakele kuye e-Gibeyon.

3 Watî u-Yehova kuye, Ndikuvile ukutândaza kwakô nokutafuzisa kwakô, otafuzise ngako pâmbî kwam; ndiyingcwalisile-ke lendlu uyakîleyo, ukuba libekwe kôna igama lam kude kuse epâkadeni; aya kuba kôna amehlo am nentliziyo yam imihla yonke.

4 Wena-ke, ukuba utê wahamba pâmbî kwam, njengoko wahambâ ngako u-Davide uyihlo, ngentliziyo egqibeleleyo, nangokutê-tye, ukuba ukwenze konke endikumisileyo, ugcine imimiselo yam namasiko am:

5 Ndoyimisa i-trone yobukumkani bakô pêzu kwama-Sirayeli ngonapâkade, njengoko ndakutêtâyo ku-Davide uyihlo, ndisitî, Akuyi kunqunyukelwa ndoda e-troneni yakwa-Sirayeli.

6 Ukuba nitê nabuya nabuya ekundilandeleni nina nonyana benu, anayigcina imitêtô yam nemimiselo yam, endiyibeke pâmbî kwenu, naya nakônza tîxo bambî, naqubuda kubo:

7 Ndowanqamla ama-Sirayeli emhlabeni endiwanikileyo; nalendlu ndiyingcwalisele igama lam ndoyilahla ebusweni bam, ama-Sirayeli abe ngumzekeliso nento yentsini ezizweni zonke;

8 Nalendlu noko ipêzulu-nje, bomangaliswa benze umsondlo bonke abadlulayo kuyo, batî, Yinina ukuba u-Yehova enjenje kwelilizwe nakulendlu?

9 Batî-ke, Kungenxa yokuba bamshiyayo u-Yehova u-Tîxo wabo, owakûpâ oyise ezweni lama-Yiputa, babambêlela tîxweni bambî, baqubuda kubo, babakônza; kunganxa yoko abuzisileyo bonke obububi pêzu kwabo u-Yehova.

10 Kwatî, ekupêleni kweminyaka emashumi mabini, awazakâ ngayo u-Solomon indlu zombîni, indlu ka-Yehova nendlu kakumkani,

11 (U-Hiram ukumkani wase-Tire ebemncedile u-Solomon ngemi-sedare nangemi-sipres, nange-golide, ngangoko abekunqwenele), ukumkani u-Solomon wamnika u-Hiram amashumi amabini emizi ezweni le-Galili.

12 Wapûma u-Hiram e-Tire, eya kuyibona imizi u-Solomon abemnike yona; ayalunga emehlweni akê.

13 Watî, Yimizi minina le undinikileyo, mzalwana wam? Watî, Liliswe lase-Kabuli unanamhla.

14 U-Hiram wayetûmele kukumkani ikûlu elinamanci mabini e-talente ze-golide.

15 Siso esi isizatû sokufakwa uviko awasimisayo ukumkani u-Solomon, ukuba akê indlu ka-Yehova, nendlu yakê, ne-Milo, nodonga lwe-Yerusalem, ne-Hatsore, ne-Megido, ne-Gezere.

16 Kwakunyuke u-Faro ukumkani wase-Yiputa, wayitîmbâ i-Gezere, wayitshisa ngomlilo, wawabulala ama-Kanan abehleli kulomzi, wayinika intombî yakê, umka-Solomon, yaba yinqakwe.

17 U-Solomon wayakâ-ke i-Gezere, ne-Betehoron yasezantsi;

18 Ne-Bahalati, ne-Tademore entlango, kwelozwe;

19 Nemizi engovimbâ abe nayo u-Solomon, nemizi yenqwelo, nemizi yabamahashe, nokulangazelela kuka-Solomon awakulangazelelayo ukwakâ e-Yerusalem, nase-Lebanon, nasezweni lonke lolaulo lwakê.

20 Bonke abantu abaseleyo kuma-Amori, nama-Heti, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi, abebenge ngabakonyana baka-Sirayeli;

21 Onyana babo abasala emva kwabo ezweni, abebengenako onyana baka-Sirayeli ukubasingela pântsi, wabahlahla u-Solomon, ukuba babe ngamakôboka afakwa uviko unanamhla;

22 Ka konyana baka-Sirayeli u-Solomon akenzanga kôboka; kuba bona baba ngamadoda akê okulwa, nabakônzi bakê, nabatêtêli bakê, namafa-nankosi akê, nabatêtêli benqwelo zakê zokulwa, nabamahashe bakê.

23 Abobatêtêli babengabongameli abapêzu komsebenzi ka-Solomon; bebe ngamakûlu amahlanu anamanci mahlanu ababe nobukôsi ebantwini abenza lomsebenzi.

24 Yatî yakut' ukunyuka intombî ka-Faro, ipûma emzini ka-Davide, isiza endlwi-

Digitized by Google

ni yayo abeyakêle; waqala wayakâ i-Milo.

25 U-Solomon ubenyusa katâtû ngonyaka amadini anyukayo nemibingelelo yokubulela esibingelelwini abesakèle u-Yehova, aqûmisele kweso sipâmbî ko-Yehova. Wayigqiba indlu.

26 Ukumkani u-Solomon wenza isinqanawa e-Etsiyon-gebere, ese-Eloti, elunxwemeni lo-Lwandle olubomvu, ezweni lakwa-Edom.

27 U-Hiram watûma-ke ngesinqanawaeso abakônzi bakê, amadoda enqanawa alwaziyo ulwandle, ndawo-nye nabakônzi baka-Solomon

28 Baya kwa-Ofire, batâbatâ kôna i-golide: amakûlu amane anamanci mabini etalente, bazisa kukumkani u-Solomon.

10 Kekaloku ukumkanikazi wase-Sheba waluva udaba luka-Solomon olusingisele kwigama lika-Yehova, weza ukumlinga ngemibuzo elukûni.

2 Wafika e-Yerusalem enesihlwele esinzima kunene, esinen-kamela ezitwele ubulawu, ne-golide eninzi kunene namatye anqabileyo. Weza ku-Solomon, watêtâ naye konke okube kusentliziyweni yakê.

3 U-Solomon wamtŷilela onke amazwi akê; akubangakô lizwi lifihlakeleyo kukumkani, angabanga nakumtŷilela lona.

4 Wabubona ukumkanikazi wase-Sheba bonke ubulumko buka-Solomon, nendlu abeyakîle,

5 Nokudla kwe-tafile yakê, nokuhlala kwabakônzi bakê, nokuma kwabalungiseleli bakê, nezambâtô zabo, nabancâmli bakê, nezinyuko zakê abenyuka ngazo ukuya endlwini ka-Yehova; akwabi sabakô kuqina kwamxêlo kuye.

6 Watî kukumkani, Beliyinene ilizwi, endaliva ezweni lam lezinto zakô nobulumko bakô.

7 Andikôlwanga ngamazwi lawo, ndada ndeza, abona amehlo am; uyabona, bendingaxelelwanga nesiqingatâ-esi; ulugqitile ngobulumko nangokulunga udaba obendiluvile.

8 Anoyolo amadoda akô, banoyolo ababakônzi bakô bemiyo pâmbî kwakô amaxesha onke, bebuva ubulumko bakô.

9 Makabongwe u-Yehova u-Tîxo wakô, okunoneleleyo wakubeka e-troneni yakwa-Sirayeli ngokuwatânda kwakê ama-Sirayeli ngonapâkade, wakumisa wangukumkani, ukuba wenze okusesikweni nobulungisa.

10 *Ukumkanikazi* wamnika ukumkani ikûlu elinamanci amabini e-talente ze-golide, nasebulawini into eninzi kunene, namatye anqabileyo; akuzange kube saziswa bulawu bungangobo ukuba buninzi kwabo, obo ukumkanikazi wase-Sheba wabunika ukumkani u-Solomon.

11 Kananjalo isinqanawa sika-Hiram, esatûtâ i-golide kwa-Ofire, savela kwa-Ofire, nemi-alimugi emininzi kunene, namatye anqabileyo.

12 Imi-alimugi-leyo ukumkani wayenza intsika zendlu ka-Yehova, nezeyendlu yokumkani, nehadi nemifubê yemvumi; akuzange kube saziswa mi-alimugi injalo, akubonwanga injalo unanamhla.

13 Ke ukumkani u-Solomon wamnika ukumkanikazi wase-Sheba konke akunanzileyo, awakucelayo; kukodwa kôna awamnikayo ngokwamandla okuba engukumkani u-Solomon. Wajika-ke, waya ezweni lakê, yena nabakônzi bake.

14 Kekaloku ukulinganiswa kwe-golide, eyeza ku-Solomon ngamnyaka-mnye, kwaba ngamakûlu matândatû anamanci matândatû anesitândatû i-talente ze-golide.

15 Iyodwa eyabafwebi, neyentêngiso yabatêngisi, neyokumkani bonke bomxukuxela neyamabambâ elizwe.

16 Ukumkani u-Solomon wenza amakûlu amabini amakâka e-golide engumkândo; zangamakûlu amatândatû i-shekele ze-golide, awaleka ngazo kâka linye.

17 Wenza amakûlu amatâtû engweletshetshe ze-golide engumkândo; zaba ntatû i-mina ze-golide,[1] awaleka ngazo ngweletshetshe nye. Ukumkani wazibeka endlwini yelilatî lase-Lebanon.

18 Ukumkani wenza i-trone enkulu ngempondo zendlovu, wayaleka nge-golide engcwengiweyo.

19 I-trone-leyo ibinezinyuko ezitandatû; i-trone-leyo ibinompêzulu oyinqila ngasemva. Kuko ingalo ngapâ nangapâ kwendawo yokuhlala; kumi ingonyama ezimbîni ecaleni lengalo-ezo.

20 Kumi ingonyama ezilishumi elinambîni kôna ezinyukweni ezitândatû, ngapâ

[1] I-raina izi-ponti ezimashumi asibozo aneslxenxe elisheleni ezilishumi.

Digitized by Google

nangapâ; akuzanga kwenziwe nto injalo ezikumkanini zonke.

21 Yonke impahla yokusela yokumkani u-Solomon yabi yeye-golide, nempahla yonke yendlu yehlatî lase-Lebanon yabi yeye-golide etê-shinyi; bekungekô ya-silivere; ibinge-nto yakonto yona ngemihla ka-Solomon.

22 Ngokuba ukumkani ube nesinqanawa sakwa-Tarshishe elwandle, ndawo-nye nesinqanawa sika-Hiram; seza kanye ngeminyaka emitâtû isinqanawa-eso sase-Tarshishe, sitwele i-golide, ne-silivere, nempondo zendlovu, nentsimango, namahem.

23 Waba mkûlu-ke ukumkani u-Solomon ngapêzu kokumkani bonke bomhlaba ngobutyebi nangobulumko.

24 Wonke umhlaba wawufuna ubuso buka-Solomon, ukuba uve ubulumko bakê, awayebubeke entliziyweni yakê u-Tîxo.

25 Bazisa elowo umnikelo wakê: impahla ze-silivere, nempahla ze-golide, nezambâtô, neziŕweqe, nobulawu, namahashe, nondlebende, into yeminyaka ngeminyaka.

26 U-Solomon wahlanganisa inqwelo zokulwa namahashe akwelwayo, waba newaka elinamakûlû amane enqwelo zokulwa, namawaka alishumi elinamabini amahashe akwelwayo, wazibeka ezonto emizini yenqwelo zokulwa, nakukumkani e-Yerusalem.

27 Ukumkani wayenza i-silivere yanjengamatye e-Yerusalem, nemi-sedare wayenza yanjengemitômbê esesihlanjeni ukuba mininzi.

28 Ukupûma kwamahashe abe ngaka-Solomon e-Yiputa; latî igqiza labatêngela ukumkani, latâbatâ igqiza lawo ngenani elitile.

29 Kwenyuka kwapûma inqwelo yokulwa e-Yiputa ngamakûlu amatândatû eshekele ze-silivere, nehashe ngekûlu elinamanci mahlanu; benje njalo-ke bona ngokwabo ukubatûtêla okumkani bonke bama-Heti, nokumkani bama-Aram.

11 Kekaloku ukumkani u-Solomon watânda abafazi abaninzi bezinye intlanga ndawo-nye nentombî ka-Faro: ama-Mowabikazi, nama-Amonikazi, nama-Edomikazi, nama-Tsidonikazi, nama-Hetikazi;

2 Ezintlangeni, abetê u-Yehova konyana baka-Sirayeli, Ize ningangeni kuzo, nazo zingangeni kuni; inene, zozitsalela kotîxo bazo intliziyo zenu. Wanamatêla kubo abo u-Solomon ngotândo.

3 Waye nabafazi abamakûlu asixênxe, amakôsikazi; namakûlu amatâtû amashweshwe; abafazi bakê bayityekisa-ke intliziyo yakê.

4 Kwatî, ngexesha lobudala buka-Solomon, abafazi bakê bayityekisela intliziyo yakê ekulandeleni tîxo bambî; intliziyo yakê ayapêlela ku-Yehova u-Tîxo wakê njengentliziyo ka-Davide uyise.

5 U-Solomon walandela u-Ashtoreti utîxo wama-Tsidon; walandela u-Milikom izotê lama-Amon.

6 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akamlandela u-Yehova ngokukôlisekileyo njengo-Davide uyise.

7 Waza u-Solomon wamâkêla isigânga u-Kemoshe, izotê lama-Mowabi, entabeni ekângelene ne-Yerusalem, no-Moleki izotê lonyana baka-Amon.

8 Wabenjela njalo bonke abafazi bakê bezinye intlanga, ababeqûmisela bebingelela kotîxo babo.

9 U-Yehova-ke waba nomsindo ku-Solomon, ngokuba ibityekile intliziyo yakê yemka ku-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, owayebonakele kuye izihlandlo ezibini;

10 Emwisele umtêtô ngalonto, ukuba angalandeli tîxo bambî; akawugcina umtêtô abemwisele wona u-Yehova.

11 Watî-ke u-Yehova ku-Solomon, Ngenx' enokuba unalonto, akwawugcina umnqopîso wam nemimiselo yam endikumiseleyo, okwenene, ndiya kubuŕazula ubukumkani kuwe, ndibunike umkônzi wakô.

12 Kodwa-ke andiyi kukwenza oko ngemihla yakô, ngenxa ka-Davide uyihlo; ndiya kubuŕazula esandleni sonyana wakô.

13 Kodwa andiyi kubuŕazula bonke ubukumkani; ndomnika isizwe esinye unyana wakô ngenxa ka-Davide isicaka sam, nangenxa ye-Yerusalem endiyinyulileyo.

14 Ke u-Yehova wamvelisela u-Solomon utshaba olungu-Hadade um-Edom; yena ube ngowembêwu yokumkani kwa-Edom.

15 Kwakutê, oko u-Davide ebe kwa-E-

Digitized by Google

dom, ekunyukeni kuka-Yowabi umtêtêli-mkôsi oye kuncŵaba abahlatyiweyo, waxabela yonke into engamadoda kwa-Edom;

16 (Ngokuba wahlala inyanga zantandatû kôna u-Yowabi nama-Sirayeli onke, wada wayinqumla yonke into engamadoda kwa-Edom);

17 Wabaleka u-Hadade, yena nama-Edom akubakônzi boyise kunye naye, baya e-Yiputa; ke u-Hadade waye yinkwenkwana oko.

18 Besuka kwa-Midiyan, beza e-Paran, batâbatâ amadoda e-Paran, ahambâ nabo; beza e-Yiputa ku-Faro ukumkani wase-Yiputa; yena-ke wamnika indlu, watî makazuze ukudla, wamnika ilizwe.

19 U-Hadade wababalwa kakûlu ngu-Faro; wamnika umfazi umsakwabo bomkakê, umsakwabo bo-Tapenes inkosikazi.

20 Ke umsakwabo bo-Tapenes wamzalela u-Genubati unyana wakê; u-Tapenes wamlumlela endlwini ka-Faro; u-Genubati waba ngowendlu ka-Faro pakati konyana baka-Faro.

21 U-Hadade ese-Yiputa, weva ukuba u-Davide ulele koyise, ufile u-Yowabi umtêtêli-mkôsi, watî u-Hadade ku-Faro, Ndindulule ndiye ezweni lakowetû.

22 Watî u-Faro kuye, Uswele nto-nina kum, lento ufuna ukuya ezweni lakowenu? Watî yena, Nento lé; noko-ke ndindulule.

23 U-Tîxo wamvelisela omnye umcâsi ongu-Rezon unyana ka-Eliyada, owabalekayo ku-Hadadezere ukumkani wase-Tsoba, inkosi yakê;

24 Wabutêla kuye amadoda, waba ngumtêtêli wempi, ekubabulaleni kuka-Davide abo. Baya-ke e-Damasko, bahlala kôna, baba nobukumkani e-Damasko.

25 Waba lutshaba lwama-Sirayeli yonke imihla ka-Solomon; ke ngobububi *wabenzayo* u-Hadade, waŕuquka ngama-Sirayeli, waye ngukumkani kwa-Aram.

26 No-Yarobeham unyana ka-Nebati, um-Efrayim wase-Tsereda, umkônzi ka-Solomon ogama lonina belingu-Tseruya, umhlolokazi, wasipâkamisa isandla kukumkani.

27 Nantsi-ke imbangi yokuba ampâkamisele isandla ukumkani. U-Solomon wayesakâ i-Milo, wavala itûba lomzi ka-Davide uyise.

28 Ke lendoda ingû-Yarobeham ibiligofa elinoburoti. Wayibona u-Solomon lendodana, ukuba iyasebenza, wayenza umpâtî womtŵalo wonke wendlu ka-Yosefu.

29 Kwatî ngeloxesha, u-Yarobeham wapûma e-Yerusalem; watî u-Ahiya wase-Shilo, um-profeti, wamfumana endleleni; wayambêtê-ke ingubo entsha; baye bobabini bebodwa endle.

30 Wesuka u-Ahiya, wayibambâ longubo intsha abe nayo, wayiqwenga; yaziqwenga ezilishumi elinazibini.

31 Watî ku-Yarobeham, Zitâbatêle iziqwenga zibe lishumi; ngokuba utsho u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yabona, ndiya kuburazula ubukumkani esandleni sika-Solomon, ndikunike izizwê zibe lishumi;

32 Esinye isizwe sibe kuye ngenxa yesicaka sam u-Davide, nangenxa ye-Yerusalem, umzi endiwunyulileyo ezizweni zonke zakwa-Sirayeli,

33 *Ndiburazula* ngenx' enokuba bendishiyile mna, baqubuda ku-Ashtoreti utîxo wama-Tsidon, naku-Kemoshe utîxo wama-Mowabi, naku-Milikom utîxo wonyana baka-Amon; abahamba ngendlela zam, ukuba benze okutê-tye emehlweni am, nemimiselo yam namasiko am, njengo-Davide uyise.

34 Andikubutâbatâ bonke ubukumkani esandleni sakê; ndomenza abe sikûlu yonke imihla yobomi bakê, ngenxa ka-Davide isicaka sam endasinyulayo, esayigcinayo imitêtô yam nemimiselo yam;

35 Ndobutâbatâ ubukumkani esandleni sonyana wakê, ndinike wena izizwe ezilishumi-ke;

36 Unyana wakê ndimnike isizwe esinye, ukuze kubekô isibane ku-Davide isicaka sam yonke imihla pâmbî kwam e-Yerusalem, umzi endiwunyulileyo ukuba ndibeke kona igama lam;

37 Ndikutâbatê, ube ngukumkani kuko konke, otê wakunqwenela umpêfumlo wakô, ube ngukumkani kuma-Sirayeli.

38 Kotî, ukuba utê wakupûlapûla konke, endikuwisela umtêtô ngako, wahambâ ngendlela zam, wenza okutê-tye emehlweni am, ukuba ugcine imimiselo yam nemitêtô yam, njengoko wenza ngako u-Davide isicaka sam: ndibe nawe, ndikwakêle indlu esimakade, njengoko nda-

Digitized by Google

makêlayo u-Davide, ndikunike ama-Sirayeli;
39 Ndiyibandezele imbêwu ka-Davide ngenxa yoku; kodwa ingabi yimihla yonke.
40 U-Solomon wafuna ukumbûlala u-Yarobeham; wesuka u-Yarobeham wabalekela e-Yiputa ku-Shishakr ukumkani we-Yiputa. Waba se-Yiputa wada wafa u-Solomon.

41 Ezinye izinto zika-Solomon, nako konke awakwenzayo, nobulumko bakê, azibâlwanga-na encwadini yemicimbi ka-Solomon?
42 Ke, imihla abe ngukumkani ngayo u-Solomon e-Yerusalem kuma-Sirayeli onke, yaba yiminyaka emashumi mane.
43 U-Solomon walala koyise, wancwatyelwa emzini ka-Davide uyise; u-Rehabeham unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

12 U-Rehabeham waya kwa-Shekem; ngokuba ama-Sirayeli onke abeye kumenza ukumkani kwa-Shekem.
2 Kwatî, akuva u-Yarobeham unyana ka-Nebatî, (ese-Yiputa apô wayebalekele kôna ebusweni buka-Solomon ukumkani; ehleli u-Yarobeham e-Yiputa,
3 Batûmela bambiza;) weza u-Yarobeham nebandla lonke lakwa-Sirayeli, batêtâ no-Rehabeham, besitî,
4 Uyihlo wayenza nzima i-dyokwê yetû; ke wena yenze lula inkonzo elukûni kayihlo, ne-dyokwe yakê enzima awayibeka pêzu kwetû, sikukônze.
5 Watî kubo, Kânindikwelele intsuku zibe ntatû, nibuye nize kum. Bemka-ke abantu.
6 Ukumkani u-Rehabeham wacebisana namadoda amakûlu abe sakuma pâmbî ko-Solomon uyise, oko abesahleli, watî, Ninika cebo lini-na nina, ukuze ndibanike ilizwi ababantu?
7 Atêtâ-ke kuye, esitî, Ukuba utê namhla waba ngumkônzi kwababantu, wabakônza, wabapêndula, watêtâ amazwi amahle kubo: boba ngabakônzi bakô yonke imihla.
8 Walishiya icebo lamadoda amakûlu abemnike lona, wacebisana namadodana azintanga zakê, abemi pâmbî kwakê;
9 Watî kuwo, Ninika cebo lini-na nina, ukuze sibanike ilizwi ababantu batêtîleyo kum, besitî, Yenze lula i-dyokwe awayibeka pêzu kwetû uyihlo?
10 Atêtâ-ke kuye amadodana azintanga zakê, esitî, Yiti kwabantu batêtê kuwe, besitî, Uyihlo wayenza nzima i-dyokwê yetû, yenze lula kuti wena; yiti kubo, Ucikicane wam uyakuba nesibili kunesinqe sikabawo.
11 Ke, ekubeni ubawo ebenitwalise i-dyokwê enzima, mna-ke ndiya kongeza e-dyokwêni yenu; ubawo ubenibetâ ngentsontelo, mna ke ndiya kunibetâ nge-katsi.
12 Baya-ke o-Yarobeham nabantu bonke ku-Rehabeham ngomhla wesitâtû, njengoko wayetêtê ngako ukumkani, esitî, Nobuye nize kum ngomhla wesitâtû.
13 Ukumkani wabapêndula abantu kalukûni, walishiya icebo lamadoda amakûlu abemnike lona;
14 Watêtâ kubo ngokwecebo lamadodana, esitî, Ubawo wayenza nzima i-dyokwê yenu, mna-ke ndiya kongeza e-dyokwêni yenu; ubawo wanibetâ ngentsontelo, mnake ndiya kunibetâ nge-katsi.
15 Akababûlapûlanga-ke abantu ukumkani; ngokuba esisipêndu besipûma ku-Yehova, ukuze alimise izwi lakê, abelitêtile u-Yehova ngo-Ahiya wase-Shilo ku-Yarobeham unyana ka-Nebati.
16 Akubona-ke onke ama-Sirayeli, ukuba ukumkani akawapûlapûli, abantu bambuyisela ukumkani ilizwi elitî, Sinasabelo sinina ku-Davide? asinalifa kunyana ka-Isayi. Ezin-tenteni zenu, ma-Sirayeli! zikângelele ngoku ngokwakô indlu yakô, Davide. Aya ezin-tenteni zawo-ke ama-Sirayeli.
17 Ke onyana baka-Sirayeli abebehleli emizini yakwa-Yuda, u-Rehabeham waba ngukumkani kubo.
18 Ukumkani u-Rehabeham watûma u-Adoram obepêtê abafakwa uviko. Esuka onke ama-Sirayeli, amxuluba ngamatye; wafa. Ukumkani u-Rehabeham wakûleza waya kukwela enqweleni yakê, ukuba asabele e-Yerusalem.
19 Afeqa-ke ama-Sirayeli endlwini ka-Davide unanamhla.
20 Kwatî, akuva onke ama-Sirayeli, ukuba u-Yarobeham ubuyile, atûmela ambizela ebandleni, amenza ukumkani wama-Sirayeli onke; akwabikô ulandela indlu ka-Davide, saba sisizwe sakwa-Yuda sodwa.

Digitized by Google

21 Wéza u-Rehabeham e-Yerusalem, wabizela ndawo-nye yonke indlu yakwa-Yuda, kwa nesizwe sakwa-Benyamin: ikúlu elinamanci asibózo amawaka amadodana okulwa imfazwe, ukuba aye kulwa nendlu ka-Sirayeli, bubuyiselwe ubukumkani ku-Rehabeham unyana ka-Solomon.

22 Lafika ilizwi lika-Tíxo ku-Shemaya umfo wakwa-Tíxo, lisití,

23 Yitsho ku-Rehabeham unyana ka-Solomon, ukumkani wakwa-Yuda, nakwindlu yonke yakwa-Yuda, naku-Benyamin, nakubantu abaseleyo, ukutí,

24 Utsho u-Yehova ukutí, Ize ninganyuki; ize ningalwi nabazalwana benu onyana baka-Sirayeli. Buyani, aye elowo endlwini yakè; ngokuba ipúma kum lento. Balipúlapúla ilizwi lika-Yehova, babuya, bahambá ngokwelizwi lika-Yehova.

25 Ke u-Yarobeham wawaká umzi wakwa-Shekem kwelentaba lakwa-Efrayim, wahlala kóna; wapúma apó, waká i-Penuweli.

26 Watí u-Yarobeham entliziyweni yakè, Kaloku ubukumkani buya kubuyela endlwini ka-Davide.

27 Ukuba batè benyuka ababantu baya kubingelela endlwini ka-Yehova e-Yerusalem: yobuya intliziyo yababantu iye enkosini yabo, ku-Rehabeham ukumkani wakwa-Yuda; bandibulale mna, babuyele ku-Rehabeham ukumkani wakwa-Yuda.

28 Waceba-ke ukumkani; wenza amatóle e-golide amabini, watí kubo, Niyaxámleka kukunyuka niye e-Yerusalem. Nanku u-Tíxo wakó, Sirayeli, owakukúpáyo ezweni lase-Yiputa!

29 Walimisa-ke elinye e-Beteli, walimisa elinye kwa-Dan.

30 Yatí lonto yaba sisono; bahambá abantu baya pámbí kwelo likwa-Dan.

31 Wenza indlu yasezigángeni, wenza abenzelelèli eluntwini lonke, ababengengabo abakonyana baka-Levi.

32 U-Yarobeham wenza umtèndeleko ngenyanga yesibózo, ngoweshumi elinesihlanu umhla kulonyanga, onjengomtèndeleko wakwa-Yuda; wenyusa amadini esibingelelweni. Wenje njalo e-Beteli, ebingelela kumatóle lawo abewenzile; wamisa e-Beteli abenzelelèli bezigánga awazenzayo.

33 Wenyusa amadini esibingelelweni awasenzayo e-Beteli, ngoweshumi elinesihlanu umhla wenyanga yesibózo, ngenyanga-leyo abeyicamangile kweyakè intliziyo; wabenzela umtèndeleko onyana baka-Sirayeli, wenyusa amadini esibingelelweni, ukuba kuqúnyiselwe.

13 Nanko; kuvela umfo wakwa-Tíxo kwa-Yuda ngokwelizwi lika-Yehova, weza e-Beteli; u-Yarobeham wayemi ngasesibingelelweni eqúmisela.

2 Wanqangaza esibingelelweni ngokwelizwi lika-Yehova, watí, Sibingelelo, sibingelelo! utsho u-Yehova ukutí, Uyabona, kuzalwa unyana kwindlu ka-Davide, ogama lingu-Yosiya; oya kubabingelela pézu kwakó lo abenzelelèli bezigánga abaqúmisela pézu kwakó, kutshiswe amatámbó abantu pézu kwakó.

3 Kwa ngalomini wabaxelela isimanga *esiya kuhla*, esití, Siso esi isimanga asitètíleyo u-Yehova: Yabona, isibingelelo-esi siya kuřazuka, lupálale utútú olupézu kwaso.

4 Kwatí, akuliva ukumkani ilizwi lomfo wakwa-Tíxo, owanqangazayo esibingelelweni e-Beteli, wasolula u-Yarobeham isandla sakè esesibingelelweni, watí, Mbambèni. Sesuka soma isandla sakè abesolulele kuye; akabi nakó ukusibuyisela kwakuye.

5 Sařazuka isibingelelo, lwapálala utútú esibingelelweni ngokwesimanga abesixelile umfo wakwa-Tíxo ngelizwi lika-Yehova.

6 Wapéndula ukumkani, watí kumfo wakwa-Tíxo, Káumbongoze u-Yehova u-Tíxo wakó, unditándazele, sibuyiselwe kum isandla sam. Umfo wakwa-Tíxo wambongoza-ke u-Yehova, sabuyiselwa kuye isandla sokumkani, saba njengokwangapámbíli.

7 Watétá-ke ukumkani kumfo wakwa-Tíxo, watí, Hambá siye ekáya, uzixáse, ndikunike isipó.

8 Watí umfo wakwa-Tíxo kukumkani, Ungafanelana utè wandinika isiqingatá sendlu yakó, andingekè ndiye nawe, andingekè ndidle sonka, andingekè ndisele manzi kulendawo.

9 Ngokuba kwenjiwa-nje ukumiselwa kwam lilizwi lika-Yehova, kwatíwa, Uz'ungadli sonka, ungaseli manzi, ungabuyi ngendlela obuze ngayo.

10 Wahambá ngandlela yimbí, akabuya ngendlela abeze ngayo e-Beteli.

Digitized by Google

11 Kekaloku kwakuhleli e-Beteli umprofeti otile, obesele yindoda enkulu; weza unyana wakê, wamcacisela konke, awakwenzayo umfo wakwa-Tixo lomini e-Beteli, namazwi awawatêtayo kukumkani wawacacisa kuyise.

12 Watî uyise kubo, Uhambê ngayipîna indlela? Babeyibonile-ke indlela onyana bakê, ahambê ngayo umfo wakwa-Tixo, owayevele kwa-Yuda.

13 Wati, konyana bakê, Ndibopêleni i-esile. Bambopêla-ke i-esile, wakwela kulo.

14 Walandela umfo wakwa-Tixo, wamfumana ehleli pântsi komkôba, watî kuye. Unguye-na umfo wakwa-Tixo, lo ubevele kwa-Yuda? Watî yena, Ndinguye.

15 Watî kuye, Hambâ siye ekâya, udle isonka.

16 Watî yena, Andinakubuya nawe; andinakungena nawe; andiyi kudla sonka, andiyi kusela manzi nawe kulendawo;

17 Kuba kutîwe kum lilizwi lika-Yehova, Uz'ungadli sonka, ungaseli manzi kôna, ungabuye uhambê ngendlela obuze ngayo.

18 Watî kuye, Ndingum-profeti nam njengawe; kutêtê isitûnywa sezulu kum ngelizwi lika-Yehova, sisitî, Mbuyise, eze nawe endlwini yakô, adle isonka, asele amanzi. Watsho emxokisa.

19 Wabuya-ke naye, wadla isonka endlwini yakê, wasela amanzi.

20 Kwatî, behleli e-tafileni apô, kwafika ilizwi lika-Yehova kulom-profeti ubembuyisile;

21 Wanqangaza kulomfo wakwa-Tixo ubevele kwa-Yuda, esitî, Utsho u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba uwupîkisile umlomo ka-Yehova, akwawugcina umtêtô abekuwisele u-Yehova u-Tixo wakô,

22 Wesuka wabuya, wadla isonka, wasela amanzi kulendawo, awatêtâ ngayo kuwe, esitî, Uz'ungadli sonka, ungaseli manzi: isidûmbû sakô asiyi kungena encwabeni loyihlo.

23 Kwatî, emveni kokudla kwakê isonka, emveni kokusela kwakê, wambopêla i-esile um-profeti lowo abembuyisile.

24 Wahambâ; wafunyanwa yingonyama endleleni, yambulala; satî isidûmbû sakê saqungquluza endleleni; lema ecaleni laso i-esile, nengonyama yema ecaleni lesidûmbû eso.

25 Kwabonakala kudlula amadoda; asibona isidûmbû-eso siqungquluzile endleleni, imi ingonyama-leyo ecaleni lesidûmbû; afika axela kulomzi, abehleli kuwo umprofeti obesele yindoda enkulu.

26 Weva um-profeti obembuyise endleleni, watî, Ngulamfo wakwa-Tixo uwupîkisileyo umlomo ka-Yehova. U-Yehova umnikele engonyameni; yamqôba, yambulala ngokwelizwi lika-Yehova, abelitêtê kuye.

27 Watêtâ konyana bakê, esitî, Ndibopêleni i-esile. Balibopâ.

28 Wahambâ-ke, wasifumana isidûmbû sakê siqungquluzile endleleni, limi i-esile nengonyama ecaleni lesidûmbû, ingonyama ingasidlanga isidûmbû, ingaliqôbanga ne-esile.

29 Wasifunqula um-profeti isidûmbû somfo wakwa-Tixo, wasibeka e-esileni, wabuya naso. Weza ekâya um-profeti-lowo usele yindoda enkulu, ukuba ammbâmbâzelele, amncwabe.

30 Wasibeka isidûmbû encwabeni lakê, bammbâmbâzelela besitî, Yô! mzalwana wam.

31 Kwatî, emveni kokumncwaba kwabo, watêtâ konyana bakê, esitî, Ndakufa, ndincwabeleni encwabeni ancwatyelwe kulo umfo wakwa-Tixo; walaliseni ngasematânjeni akê amatâmbô am.

32 Ngokuba inene liya kwenzeka ilizwi, alinqangazileyo ngelizwi lika-Yehova esibingelelweni esise-Beteli, nasezindlwini zonke zasezigângeni, ezisemizini yakwa-Samari.

33 Emva koko u-Yarobeham akabuyanga endleleni yakê embî; wabuya wenza abenzeleleli bezigânga eluntwini lonke; watî atê wamtânda, wamzalisa isandla, waba ngowabenzeleleli bezigânga.

34 Yatî lonto yaba sisono sendlu ka-Yarobeham ukuba itshone itshabalale ingabikô pézu komhlaba.

14 Ngeloxesha wahliwa sisifo u-Abiya unyana ka-Yarobeham.

2 Wati u-Yarobeham kumkakê, Kaûsuke uzenze mntu wumbî, bangakwazi ukuba ungumka-Yarobeham; uhamb'uye e-Shilo; nanko apô u-Ahiya um-profeti, owandixelelayo ukuba ndiya kuba ngukumkani wababantu;

3 Upâtê esandleni sakô izonka ezilishumi

Digitized by Google

nemiqâtâne, neselwa lobusi, uye kuye: wokuxelela okuya kubakô kulomntwana.

4 Wenje njalo umka-Yarobeham, wesuka waya e-Shilo, wangena endlwini ka-Ahiya; kekaloku u-Ahiya ebenge nakubona, ngokuba amehlo akê ebe noñatyazo ngobudala bakê.

5 Watî u-Yehova ku-Ahiya, Nanko, umka-Yarobeham eza kubuza into kuwe ngonyana wakê; ngokuba esifa. Uz'utî, uti, ukutêtâ kuye: kuba wotî, ekungeneni kwakê, azenze mntu wumbî.

6 Kwatî, akusiva u-Ahiya isingqi senyawo zakê, engena emnyango, watî, Ngena, mka-Yarobeham, yinina ukuba uzenze mntu wumbî? nditûnywe kuwe udaba olubi.

7 Yiya, utî ku-Yarobeham, Utsho u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ngenx' enokuba ndakupâkamisayo pâkatî kwabantu, ndakwenza ingânga kubantu bam ama-Sirayeli,

8 Ndabuñazula ubukumkani endlwini ka-Davide, ndakunika; wesuka akwafuza isicaka sam u-Davide, owayigcinayo imitêtô yam, owandilandelayo ngentliziyo yakê yonke, ukuba enze okutê-tye kodwa emehlweni am;

9 Wesuka wena wenza okubi ngapêzu kwabo bonke abebekô ngapâmbî kwakô, waya wazenzela tîxo bambî, nemifanekiso etŷidiweyo, ukuba undiqumbîse, wandipôsa emva komblana wakô:

10 Ngako oko yabona, ndiya kuyizisela ububi indlu ka-Yarobeham, ndiyinqamle kwa-Yarobeham yonke into eyindoda, ovalelweyo novulelweyo kwa-Sirayeli, ndiwatshayele amavela-mva endlu ka-Yarobeham njengokutshayelwa kwelindle, kude kutî-tu.

11 Oka-Yarobeham, ofela pâkatî komzi, uya kudliwa zizinja; ofela endle, uya kudliwa zintaka zezulu; ngokuba u-Yehova etêtîle.

12 Suk'ume-ke wena, uhambê uye endlwini yakô; ekungeneni kwenyawo zakô kuwo umzi uya kuña umntwana;

13 Ammbâmbâzelele onke ama-Sirayeli, amncŵabe; ngokuba nguye yedwa kwa-Yarobeham, oya kungena encŵabeni; ngenxa yokuba kufunyenwe kuye kukô into elungileyo, ebêkisele ku-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, endlwini ka-Yarobeham.

14 U-Yehova uya kuzivelisela ukumkani kwa-Sirayeli, oya kuvinqamla indlu ka-Yarobeham lomini. Ndisatêtâ nto-nina? sekunjalo-nje.

15 U-Yehova uya kubetâ kuma-Sirayeli, njengengcongolo izanyazanyiswa emanzini, awanyotûle ama-Sirayeli emhlabeni olungileyo, awawunika oyise, awacîtâcîtêle pêsheya kom-Lambô, ngenx' enokuba benze o-Ashera babo, bamqumbîsa u-Yehova;

16 Awanikele ama-Sirayeli ngenxa yesono sika-Yarobeham, owônayo, wawônisa ngaso ama-Sirayeli.

17 Wesuka-ke umka-Yarobeham, wahambâ, wafika e-Tirtsa, watî akut' ukunyatêla embûndwini womnyango wendlu, wafa umntwana.

18 Amncŵaba, ammbâmbâzelela ama-Sirayeli onke ngokwelizwî lika-Yehova, awalitêtâyo ngomkônzi wakê u-Ahiya umprofeti.

19 Ezinye izinto zika-Yarobeham, ukulwa kwakê, nokulaula kwakê, nanko, kubâliwe encŵadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

20 Imihla awaye ngukumkani ngayo u-Yarobeham ngamashumi amabini anesibini iminyaka; walala koyise. U-Nadabi unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

21 Ke u-Rehabeham unyana ka-Solomon waye ngukumkani kwa-Yuda. U-Rehabeham ube minyaka imashumi mane anamnye ezelwe, ekubeni kwakê ngukumkani; waba neminyaka elishumi elinesixênxe engukumkani e-Yerusalem, umzi awawunyulayo u-Yehova ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, ukuba alibeke kôna igama lakê. Igama lonina belingu-Nahama um-Amonikazi.

22 Ama-Yuda enza ububi emehlweni ka-Yehova, amkŵeletisa ngapêzu kwakô konke, ababekwenzile oyise ngezono zabo, ababesona ngazo.

23 Azakêla nazo izigânga, nezimiso zamatye, no-Ashera, ezindulini zonke ezipâkamileyo, napântsi kwemitî yonke elublaza.

24 Kananjalo bekukô inñawu elizweni, zenza ngokwamasikizi onke entlanga, awaziggqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

25 Kwatî ngomnyaka wesihlanu wokumkani u-Rehabeham, kwenyuka u-Shishaki ukumkani wase-Yiputa, wayifikela i-Yerusalem,

Digitized by Google

26 Wabutâbatâ ubuncwane bendlu ka-Yehova nobuncwane bendlu yokumkani; wabutâbatâ bonke; wazitâbatâ zonke ingweletshetshe ze-golide awazenzayo u-Solomon.

27 Ukumkani u-Rehabeham wenza ingweletshetshe zobêdu esikûndleni sazo, wazipâtîsa abatêtêli bezigidimi ebezigcina umnyango wendlu yokumkani.

28 Ubesakutî, akuya ukumkani endlwini ka-Yehova, zizipâte izigidimi-ezo, zize zizibuyisele ekambîlini yogcino lwezigidimi.

29 Ezinye izinto zika-Rehabeham, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

30 Yayiyimfazwe pâkatî ko-Rehabeham no-Yarobeham yonke imihla.

31 U-Rehabeham walala koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davide. Igama likanina belingu-Nahama um-Amonikazi. U-Abiyam unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

15 Ngonyaka weshumi elinesibôzo wokumkani u-Yarobeham unyana ka-Nebati waba ngukumkani u-Abiyam kwa-Yuda.

2 Waba neminyaka emitâtû engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina belingu-Mahaka intombî ka-Abisalom.

3 Wahambâ ezonweni zonke zikayise, awazenzayo ngapâmbîli kwakê; yayingapêlele intliziyo yakê ku-Yehova u-Tixo wakê njengentliziyo ka-Davide uyise.

4 Noko watî u-Yehova u-Tixo wakê ngenxa ka-Davide wamnika isibane e-Yerusalem sokumisa unyana wakê emva kwakê, sokumisa i-Yerusalem;

5 Ekubeni u-Davide wakwenzayo okutê-tye emehlweni ka-Yehova, akatyeka kuko konke awawisayo ngako umtêtô, yonke imihla yobomi bakê, kwaba semcimbîni ka-Uriya um-Heti wodwa.

6 Yayiyimfazwe pâkatî ko-Rehabeham no-Yarobeham yonke imihla yobomi bakê.

7 Ezinye izinto zika-Abiyam, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda? Yayiyimfazwe-ke pâkatî ko-Abiyam no-Yarobeham.

8 U-Abiyam walala koyise, bamncwabela emzini ka-Davide. U-Asa unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

9 Ngonyaka wamashumi amabini ka-Yarobeham ukumkani wakwa Sirayeli, u-Asa waba ngukumkani kwa-Yuda.

10 Waba neminyaka emashumi mane anamnye engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina belingu-Mahaka intombi ka-Abisalom.

11 U-Asa wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova njengo-Davide uyise.

12 Wazikwêlelisa inñawu, azabikô ezweni, wazisusa zonke izigodo ezizizitîxo, ababezenzile oyise.

13 Kwa no-Mahaka unina wamguzula, akabi yinkosikazi; ngokuba wamenzela u-Ashera isitîxo esilisikizi. Waza u-Asa wasigaula isitixo sakê esilisikizi wasitshisa emlanjaneni oyi-Kidron.

14 Ke izigânga azisuswanga; kodwa yona intliziyo ka-Asa yabipêlele ku-Yehova yonke imihla yakê.

15 Wazingenisa izinto ezingcwele zikayise, nezakê izinto ezingcwele endlwini ka-Yehova, i-silivere ne-golide nempahla.

16 Yayiyimfazwe pâkatî ko-Asa no-Bahesha ukumkani wakwa-Sirayeli yonke imihla yabo.

17 Wenyuka u-Bahesha ukumkani wakwa-Sirayeli, esiza kulwa nama-Yuda; wakâ i-Rama, ukuba angavumi ukuba kupûme bani aye ku-Asa ukumkani wakwa-Yuda.

18 Wayitâbatâ u-Asa yonke i-silivere negolide ebisele ebuncwaneni bendlu ka-Yehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani, wazinikela ezandleni zabakônzi bakê. U-Asa ukumkani wazitûmela ku-Ben-hadade, unyana ka-Tabrimon, unyana ka-Heziyon, ukumkani wakwa-Aram, ohleli e-Damasko, esiti,

19 Kukô umnqopîso pâkatî kwam nawe, pâkatî kobawo noyihlo; nanko, ndikutûmele isipô sokukucenga se-silivere ne-golide; yiza uwapûle umnqopîso wakô no-Bahesha ukumkani wama-Sirayeli, ukuba emke kum.

20 U-Ben-hadade wampûlapûla ukumkani u-Asa, watûmela abatêtêli bempi abe nabo emizini yakwa-Sirayeli, waxabela i-Iyon, nowakwa-Dan, ne-Abêle-bête-mahaka, ne-Kineroti yonke, kunye nelizwe lonke lakwa-Nafetali.

Digitized by Google

21 Watĺ, akuva u-Bahesha, wayiyeka ukuyakâ i-Rama, wahlala e-Tirtsa.
22 Ukumkani u-Asa wawahlabela umkôsi ama-Yuda onke, akwabikò namnye ukûlulekileyo. Bawasusa amatye e-Rama kwa nemitĺ yayo abesakâ ngayo u-Bahesha ukumkani; u-Asa wakâ-ke ngayo i-Geba yakwa-Benyamin ne-Mitspa.
23 Zonke ezinye izinto zika-Asa, nobugofa bakè bonke, nako konke awakwenzayo, nemizi awayakâyo, ayibâlwanga-na encwadini yemicimbĺ yemihla yokumkani bakwa-Yuda? Utè-ke akuba yindoda enkulu wabulawa zinyawo.
24 U-Asa walala koyise, wancwatyelwa koyise, emzini ka-Davide uyise. U-Yehoshafati unyana wakè waba ngukumkani esikûndleni sakè.

25 U-Nadabi unyana ka-Yarobeham waba ngukumkani kwa-Sirayeli, ngomnyaka wesibini ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda; waba neminyaka emibini engukumkani kwa-Sirayeli.
26 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, wahambâ ngendlela kayise, nangesono sakè awawŏnisa ngaso ama-Sirayeli.
27 Waza u-Bahesha unyana ka-Ahiya, wendlu ka-Isakare, wamceba. U-Bahesha wamxabela e-Gibeton yakuma-Filisti; beyingqinga i-Gibeton u-Nadabi nama-Sirayeli onke.
28 U-Bahesha wambulala-ke ngonyaka wesitâtû ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani esikûndleni sakè.
29 Kwatĺ, xa angukumkani, wayibulala yonke indlu ka-Yarobeham; akasalisa namnye upefumlayo kwa-Yarobeham, wada wamtshabalalisa ngokwelizwi lika-Yehova, abelitètile ngomkònzi wakè u-Ahiya wase-Shilo:
30 Ngenxa yezono zika-Yarobeham awŏna ngazo, awawŏnisa ngazo ama-Sirayeli; ngokumqumbĺsa kwakè awamqumbĺsa ngako u-Yehova, u-Tĺxo ka-Sirayeli.
31 Ezinye izinto zika-Nadabi, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĺ yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?
32 Yayiyimfazwe pâkatĺ ko-Asa no-Bahesha ukumkani wakwa-Sirayeli yonke imihla yabo.

33 Ngonyaka wesitâtû ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, u-Bahesha unyana ka-Ahiya waba ngukumkani kuma-Sirayeli onke e-Tirtsa iminyaka yaba ngamashumi amabini anamine.
34 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, wahambâ ngendlela ka-Yarobeham, nangesono sakè awawonisa ngaso ama-Sirayeli.

16 Lafika-ke ilizwi lika-Yehova ku-Yehu unyana ka-Hanani, ngenxa ka-Bahesha, lisitĺ,
2 Ngenx' enokuba ndakupâkamisayo elutûlini, ndakwenza ingănga yabantu bam ama-Sirayeli, wesuka wena wahambâ ngendlela ka-Yarobeham, abantu bam ama-Sirayeli wabŏnisa ukuba bandiqumbĺse ngezono zabo:
3 Yabona, ndiyawatshayela amavelamva ka-Bahesha namavela-mva endlu yakè, ndiyenze indlu yakò ibe njengendlu ka-Yarobeham unyana ka-Nebati.
4 Oka-Bahesha, ofela pâkatĺ komzi uya kudliwa zizinja, owakè ofela endle uya kudliwa zintaka zezulu.
5 Ezinye izinto zika-Bahesha, nawakwenzayo, nobugofa bakè, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĺ yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?
6 U-Bahesha walala koyise, wancwatyelwa e-Tirtsa. U-Ela unyana wakè waba ngukumkani esikûndleni sakè.
7 Kananjalo ngesandla sika-Yehu unyana ka-Hanani, um-profeti, lafika ilizwi lika-Yehova ku-Bahesha nakwindlu yakè, nangenxa yobubi bonke, awabenzayo emehlweni ka-Yehova ukumqumbĺsa ngezenzo zezandla zakè, ukuba ibe njengendlu ka-Yarobeham, nangenxa yokuba wamxabelayo.

8 Ngomnyaka wamashumi omabini anamitândatû ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Ela unyana ka-Bahesha kwa-Sirayeli e-Tirtsa; yaba yiminyaka emibini.
9 Wamceba umkônzi wakè u-Zimri, umtètèli wesiqingatâ senqwelo zakè zokulwa, ese-Tirtsa; esela enxila endlwini ka-Arza, owayepètè indlu yake e-Tirtsa.
10 Wangena-ke u-Zimri, wamxabela, wambulala ngomnyaka wamashumi amabini anesixènxe ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda; waba ngukumkani esikûndleni sakè.

Digitized by Google

11 Kwatĩ, akuba ngukumkani, kwa esaqala ukuhlala e-troneni yakê, wayixabela yonke indlu ka-Bahesha, akamsalisela nanye into eyindoda, nongumkûluleli wakê, nongumhlobo wakê.

12 Wayitshabalalisa u-Zimri yonke indlu ka-Bahesha ngokwelizwi lika-Yehova, awalitêtâyo ku-Bahesha ngo-Yehu um-profeti;

13 Ngenxa yezono zonke zika-Bahesha, nezono zika-Ela unyana wakê, abŏna ngazo, abawŏnisa ngazo ama-Sirayeli ukumqumbĩsa u-Yehova u-Tĩxo ka-Sirayeli ngento zabo ezinge-nto.

14 Ezinye izinto zika-Ela, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĩ yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

15 Ngomnyaka wamashumi omabini anesixênxe ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, u-Zimri waba nemihla esixênxe engukumkani e-Tirtsa. Abantu babemise intente e-Gibeton eyeyama-Filisti.

16 Beva abantu ababemise kŏna, kusitĩwa, U-Zimri umcebile, kananjalo umbulele ukumkani. Onke ama-Sirayeli amenza ukumkani kuma-Sirayeli u-Omri umtêtêli-mkŏsi kwa ngalomini emkŏsini.

17 Wenyuka-ke u-Omri enama-Sirayeli onke, esuka e-Gibeton, ayingqinga i-Tirtsa.

18 Kwatĩ, akubona u-Zimri ukuba uza kutĩnjwa umzi, wangena enqabeni yendlu yokumkani, wayitshisa ngomlilo pêzu kwakê indlu yokumkani, wafa;

19 Ngenxa yezono zakê awŏna ngazo, wenza okubi emehlweni ka-Yehova, wahambâ ngendlela ka-Yarobeham, nangezono zakê awazenzayo wawŏnisa ngazo ama-Sirayeli.

20 Ezinye izinto zika-Zimri, nokuceba kwakê awaceba ngako, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĩ yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

21 Baza bahluka kubini abantu bakwa-Sirayeli: esinye isahlulo sabantu salandela u-Tibeni unyana ka-Ginati, ukuba simenze ukumkani; esinye isahlulo salandela u-Omri.

22 Abantu ababelandela u-Omri baboyisa abo bantu babelandela u-Tibeni unyana ka-Ginati; wafa u-Tibeni; waba ngukumkani u-Omri.

23 Ngomnyaka wamashumi amatâtû anamnye ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, u-Omri waba ngukumkani wama-Sirayeli, iminyaka yaba lishumi elinamibini; waba ngukumkani e-Tirtsa iminyaka emitândatû.

24 Waza watênga intaba yakwa-Samari ku-Samari nge-talente ezimbĩni ze-silivere, wakâ kulontaba, watĩ igama lalomzi wawakâyo yi-Samari ngegama lika-Samari umnini-ntaba.

25 U-Omri wenza okubi emehlweni ka-Yehova; wenza okubi ngapêzu kwabo bonke ababe ngapâmbĩli kwakê.

26 Wahambâ ngendlela yonke ka-Yarobeham unyana ka-Nebati, nangezono zakê awawŏnisa ngazo ama-Sirayeli, ukumqumbĩsa u-Yehova u-Tĩxo ka-Sirayeli ngezinto zabo ezinge nto.

27 Ezinye izinto zika-Omri awazenzayo, nobugoŕa bakê awabenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĩ yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

28 U-Omri walala koyise, wancwatyelwa kwa-Samari, u-Ahabi unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

29 U-Ahabi unyana ka-Omri waba ngukumkani kuma-Sirayeli ngonyaka wamashumi omatâtû anesibŏzo ka-Asa ukumkani wakwa-Yuda, u-Ahabi unyana ka-Omri waba neminyaka emashumi mabini anamibini engukumkani kuma-Sirayeli kwa-Samari.

30 U-Ahabi unyana ka-Omri wenza okubi emehlweni ka-Yehova ngapêzu kwabo bonke ababe ngapâmbĩli kwakê.

31 Ke, ngokungatĩ kulula kuye ukuhambâ ngezono zika-Yarobeham unyana ka-Nebati; wesuka wazeka u-Izebele intombĩ ka-Etebahali, ukumkani wama-Tsidon, wangumkakê, waya wakŏnza u-Bahali, waqubuda kuye.

32 Wamnisela u-Bahali isibingelelo, endlwini ka-Bahali, abemakêle yona kwa-Samari.

33 U-Ahabi wenza u-Ashera; u-Ahabi waqokela ukumqumbĩsa u-Yehova u-Tĩxo wakwa-Sirayeli ngapêzu kwabo bonke okumkani bakwa-Sirayeli ababe ngapâmbĩli kwakê.

34 Wayakâ ngemini zakê u-Hiyeli wase-Beteli i-Yeriko; wayiseka ngo-Abiram amazibulo akê, wawamisa amasango ayo ngo-Segubi owamatûmbû akê, ngokweli-

Digitized by Google

zwi lika-Yehova, awalitêtâyo ngo-Yoshuwa unyana ka-Nun.

17 Wati u-Eliya wase-Tishbi, wase-zindwendweni zase-Giliyadi, ku-Ahabi, Ehleli-nje u-Yehova u-Tixo wakwa-Sirayeli, endimi pâmbî kwakê, akukukê kubekô mbetê namvula leminyaka, kunge ngalo ilizwi lam.

2 Lafika ilizwi lika-Yehova kuye, lisitî,

3 Hamb'umke apâ, ubêke empumalanga, uzimele emlanjaneni oyi-Kriti, okângelene ne-Yordan;

4 Wotî usele emlanjaneni apô; ndibawisele umtêtô onomyayi ukuba bakuxâse kôna.

5 Wahambâ-ke wenza ngokwelizwi lika-Yehova, waya wahlala emlanjaneni oyi-Kriti, okângelene ne-Yordan.

6 Onomyayi bamzisela isonka nenyama kusasa, isonka nenyama ngokuhlwa, wasela emlanjaneni apô.

7 Kutê, kwakuhambâ ixesha, watsha umlanjana, ngokuba bekungabangakô myula ezweni.

8 Lafika ilizwi lika-Yehova kuye, lisitî,

9 Suk'uye e-Tsarfati, yase-Tsidon, uhlale kôna; uyabona, ndiyiwisele umtêtô kôna inkazana engumhlolokazi, ukuba ikuxâse.

10 Wesuka-ke, waya e-Tsarfati, wafika esangweni lomzi; nanko kukô apô inkazana engumhlolokazi icôla inkuni; wayibiza, watî, kâundikêlel' intwana yamanzi ngesitya, ndisele.

11 Yaya kuwakâ; wayibiza, watî, Kâundipâtêle neqêkeza lesonka ngesandla.

12 Yatî, Ehleli-nje u-Yehova u-Tixo wakô, andinasonka; ngumgubo ongazalisa isandla empândeni, nentwana ye-oli eselweni; uyabona-ke, ndicôla inkuni ezimbîni, ukuba ndiye ndenzele mna nonyana wam, sidle, sife.

13 Watî u-Eliya kuyo, Mus'ukoyika; yiya, wenze ngokwelizwi lakô; kodwake ndenzele isonkana ngawo ukuqala, undizisele, uzenzele-ke wena nonyana wakô emveni koko.

14 Ngokuba utsho u-Yehova u-Tixo wakwa-Sirayeli, ukutî, Umpânda womgubo awukupêla, neselwa le-oli alikuminyelelwa, ide ifike imini aya kuvinisa ngaye imvula u-Yehova pêzu komhlaba.

15 Yaya-ke, yenza ngokwelizwi lika-Eliya, yadla yona, naye, nendlu yayo, zazintsuku.

16 Umpânda womgubo awupêlanga, iselwa le-oli alaminyelelwa, ngokwelizwi lika-Yehova, awalitêtâyo ngo-Eliya.

17 Kwatî emveni kwezozinto, wahliwa sisifo unyana walonkazana ingumnikazindlu; satî isifo sakê saba nzima kakûlu, kwada akwabikô kupêfumla kuye.

18 Yatî ku-Eliya, Yinto-nina enam nawe, mfo wakwa-Tixo? Uze kum, ukuba undikûmbûze ubugwenxa bam, umbulale unyana wam?

19 Watî kuyo, Ndiniko unyana wakô. Wamtâbatâ-ke esifubeni sayo, wenyuka naye, waya egumbîni elipêzulu, abehlala kulo, wamlalisa pêzu kwesinqênqêlo sakê.

20 Wanqula u-Yehova, watî, Yehova Tixo wam, umenzele ububi nomhlolokazilo-na ndipâmbûkele kuye, ngokubulala unyana wakê?

21 Wazolula pêzu komntwana izihlandlo zazitâtû, wanqula u-Yehova, watî, Yehova Tixo wam, maukê ubuyele pâkatî kwakê umpêfumlo walomntwana.

22 Waliva u-Yehova ilizwi lika-Eliya; wabuyela pâkatî kwakê umpêfumlo walomntwana, wapila.

23 Wamtâbatâ u-Eliya umntwana, wehla naye egumbîni elipêzulu, waya endlwini, wamnika unina; watî u-Eliya, Uyabona, upilile unyana wakô.

24 Yatî lonkazana ku-Eliya, Kaloku-ke ndiyazi ukuba ungumfo wakwa-Tixo wena, nelizwi lika-Yehova elisemlonyeni wakô liyinyaniso.

18 Kwatî kwakuba mzuzu, lafika ilizwi lika-Yehova ku-Eliya ngomnyaka wesitâtû, latî, Hamb'uye kubonana no-Ahabi, ndinise imvula pêzu komhlaba.

2 Wahambâ waya kubonana u-Eliya no-Ahabi. Indlala-ke yayinzima kwa-Samari.

3 U-Ahabi wayebize u-Obadiya, obepêtê indlu yakê; (u-Obadiya-ke wayemoyika u-Yehova kunene:

4 Wayetê yena ekubanqamleni kuka-Izebele aba-profeti baka-Yehova, u-Obadiya watâbatâ ikûlu laba-profeti, wabazimeza ngamashumi ngamahlanu, ngamashumi ngamahlanu emqolombêni, wabondla ngesonka namanzi.)

5 Watî-ke u-Ahabi ku-Obadiya, Hamb'

Digitized by Google

uyè ezweni, emitônjeni yenke yamanzi nasemilanjaneni yonke, mhlaumbî sofumana utyani, sipîlise amahashe nondlebende, zingabutîsi zonke inkomo.

6 Bálahlula ilizwe pákatî kwabo, ukuba bacande kulo: u-Ahabi wahambâ ngenye indlela yedwa, u-Obadiya wahambâ ngenye indlela yedwa.

7 Kwatî-ke, esendleleni u-Obadiya, wabonakala u-Eliya emkâulela, wamazi, wawa ngobuso, watî, Nguwe-na lo nkosi yam-Eliya?

8 Watî yena kuye, Ndim. Hamb'okutî enkosini yakô, Nanku elapâ u-Eliya.

9 Watî, Ndenze sono sinina, ukuba umnikele umkônzi wakô esandleni sika-Ahabi, ukuba andibulale?

10 Ehleli-nje u-Yehova ù-Tîxo wakô, akukô luhlanga nabukumkani, apô ingatûmelanga kôna inkosi yam, ikufuna; bakutî, Akakô, yabufungisa ubukumkani nohlanga-olo; ukutî, akufumanekanga.

11 Kaloku-ke utî, Hamb'okutî enkosini yakô, Nanku elapâ u-Eliya.

12 Kotî, nditê ndemka kuwe, umoya ka-Yehova ukutwalele apô ndingaziyo; ndiye ndixelele u-Ahabi, angakufumani, andibulale; umkônzi wakô lo umoyike u-Yehova kwasebuncinaneni bakê.

13 Bekungaxelwanga-na enkosini yam endakwenzayo ekubabulaleni kuka-Izebele aba-profeti baka-Yehova, ndazimeza ikûlu lamadoda kuba-profeti baka-Yehova, ngamashumi ngamahlanu, ngamashumi ngamahlanu emqolombêni, ndabondla ngesonka nangamanzi?

14 Kaloku-ke utî, Hamb'okutî enkosini yakô, Nanku elapâ u-Eliya; ukuze indibulale.

15 Watî u-Eliya, Ehleli-nje u-Yehova wemikôsi endimiyo pâmbî kwakê, inene, namhla-nje ndiya kubonana naye.

16 U-Obadiya waya kumkâulela-ke u-Ahabi, wamxelela; wahambâ u-Ahabi, waya kumkâulela u-Eliya.

17 Kwatî, u-Ahabi akumbona u-Eliya, watî u-Ahabi kuye, Ulapâ-na wena, uwahlisele intlekele ama-Sirayeli?

18 Watî yena, Andiwahliselanga ntlekele ama-Sirayeli; nguwe hendlu kayihlo, ngokuyishiya kwenu imitêtô ka-Yehova, walandela o-Bahali.

19 Kengokô, tûmela uwahlanganisele kum ama-Sirayeli onke entabeni ye-Karmele, naba-profeti baka-Bahali abangamakûlu amane anamanci mahlanu, naba-profeti baka-Ashera abangamakûlu amane, abadla e-tafileni ka-Izebele.

20 Watûmela-ke u-Ahabi konyana bonke baka-Sirayeli, wabahlanganisela aba-profeti entabeni ye-Karmele.

21 Wafika u-Eliya ebantwini abo bonke, watî, Koda kube nini-na nimbâxa? Ukuba u-Yehova ngu-Tixo, landelani yena; ke ukuba ngu-Bahali *u-Tîxo*, landelani yena. Abampêndula nezwi abantu.

22 Watî u-Eliya ebantwini, Kusele mna ndodwa um-profeti ka-Yehova; ke abaka-Bahali aba-profeti ngamakûlu amane anamanci amahlanu amadoda.

23 Masinikwe inkunzi ezintsha zibe mbîni, bazinyulele-ke enye inkunzi entsha, bayityatye, bayibeke pêzu kwenkuni, bangafaki mlilo; nam ndiyilungise enye inkunzi entsha, ndiyibeke pêzu kwenkuni, ndingafaki mlilo;

24 Ninqule igama lotîxo wenu, mna ndinqule igama lika-Yehova; atî, u-Tîxo otê wapêndula ngomlilo, abe nguye u-Tîxo. Bapêndula bonke abantu, batî, Lihle elozwi.

25 Watî-ke u-Eliya kuba-profeti baka-Bahali, Zinyuleleni inkunzi entsha ibe nye, nizenzele kuqala; ngokuba niba ninzi nina; ninqule igama lotîxo wenu, ningafaki mlilo.

26 Bayitâbatâ-ke inkunzi entsha abebeyinikiwe, bayilungisa, banqula igama lika-Bahali, beqale kusasa kwada kwasemini enkulu, besitî, Bahali, sipêndule. Akwabikô zwi, akwabikô upêndulayo. Baxêntsa ngasesibingelelweni esasenziwe.

27 Kwatî emin' enkulu, u-Eliya wadlala ngabo, esitî, Nqulani ngezwi elikûlu, ngokuba engutîxo; ingabi usacinga, ingabi utê-gubucala, ingabi useluhambêni; ingabi mhlaumbî ulele, unokuba avuswe.

28 Banqula ngezwi elikûlu-ke, bazicenta ngokwesiko labo ngamarele nangezikâli, lada latsaza igazi kubo.

29 Kwatî emveni kwemin' enkulu, baprofeta kwada kwesa ekunyusweni komnikelo wokudla *wangokuhlwa* akwabikô zwi, akwabikô upêndulayo, akwabikô ubeke indlebe.

30 Watî u-Eliya ebantwini bonke, Sondelani kum apâ. Basondela-ke abantu bonke kuye. Wabuya wasakâ isibingelelo sika-Yehova ebesidiliziwe.

Digitized by Google

31 U-Eliya watâbatâ amatye alishumi elinamabini ngokwenani lezizwe zonyana baka-Yakobi, eleza kuye ilizwi lika-Yehova, lisitî, Liya kuba ngu-Sirayeli igama lakô.

32 Wakâ ngamatye lawo isibingelelo egameni lika-Yehova, wenza umsele olingene i-seya ezimbîni zembêwu, ngenxa zonke esibingelelweni.

33 Wazilungisa inkuni, wayityatya inkunzi entsha, wayibeka pêzu kwenkuni;

34 Watî, Zalisani imipânda ibe mine ngamanzi, niwagalele pêzu kwedini elinyukayo, napêzu kwenkuni; watî, Pîndani okwesibini; bapînda okwesibini. Watî, Pîndani okwesitâtû; bapînda okwesitâtû.

35 Ahambâ amanzi ngenxa zonke esibingelelweni, wawuzalisa nomsele ngamanzi.

36 Kwatî ekunyusweni komnikelo wokudla *wangokuhlwa*, wasondela u-Eliya um-profeti, watî, Yehova, Tîxo ka-Abraham, ka-Isake, ka-Sirayeli, namhla makwaziwe ukuba nguwe u-Tîxo kwa-Sirayeli, ukuba ndingumkônzi wakô mna, ukuba ndizenze zonke ezizinto ngelizwi lakô.

37 Ndipêndule, Yehova, ndipêndule, bazi ababantu, ukuba wena Yehova ungu-Tîxo, ukuba uyiguqulele kuwe intliziyo yabo.

38 Wawa-ke umlilo ka-Yehova, walidla idini elinyukayo, kwa nenkuni, kwa namatye, kwa nomhlaba, namanzi abe semseleni wawakôtâ.

39 Babona bonke abantu, bawa ngobuso, batî, U-Yehova nguye u-Tîxo, u-Yehova nguye u-Tîxo.

40 Watî u-Eliya kubo, Babambêni ababprofeti baka-Bahali; makungasindi namnye kubo. Bababamba-ke; u-Eliya wabahlisela emlanjaneni oyi-Kishon, wababulalela kôna.

41 Watî u-Eliya ku-Ahabi, Nyuka, uye kudla, usele; ngokuba kuvakala ulwandile lwemvula enkulu.

42 Wenyuka-ke u-Ahabi, waya kudla, waya kusela. Ke u-Eliya wenyuka waya encotsheni ye-Karmele, waqondela emhlabeni, wabufaka ubuso bakê pakatî kwamadolo akê.

43 Watî kwindodana yakwakê, Kâunyuke, ukângele ngelicala laselwandle. Yenyuka, yakângela, yatî, Akukô nto. Watî, Buy'uye izihlandlo zibe sixênxe.

44 Kwatî-ke ngesesixênxe, yatî, Ndibona ilifana elingangesandla somntu, lipûma elwandle. Watî, Nyuk-uye, utî ku-Ahabi, Bopâ, uhle, ingakuvingceli imvula.

45 Kwatî-ke kwakamsinya lasuka izulu lamnyama ngamafu nomoya; kwabakô imvula enkulu. Wakwela u-Ahabi, waya e-Yizereli.

46 Safika-ke isandla sika-Yehova ku-Eliya; wazibînqisa, wagidima pâmbî ko-Ahabi kwada kwaba sekungeneni e-Yizereli.

19 U-Ahabi wamxelela u-Izebele konke awakwenzayo u-Eliya, nokubabulala kwakê aba-profeti bonke ngerêle.

2 U-Izebele watûma umtûnywa ku-Eliya, esitî, Mabenje-nje otîxo kum, baqokele ukwenje-nje, ukuba anditânga, mayela ngelixa ngomso, ndiwenze umpêfumlo wakô ube njengompêfumlo womnye kubo.

3 Wabona, wesuka wahambêla *ukusindisa* umpefumlo wakê, waya e-Ber-sheba, eyeyakwa-Yuda, wayishiya kôna indodana yakwakê.

4 Wahambâ entlango uhambô lwemini enye, waya wahlala pântsi konwele, wawucelela umpêfumlo wakê ukufa, watî, Kwanele ngoku, Yehova, wutâbatê umpêfumlo wam; ngokuba ndingalungile ngapezu kobawo.

5 Wanqênqa-ke, wozela walala pântsi konwele; kwabonakala kôna isitûnywa sezulu simshukumisa, satî kuye, Vuka udle.

6 Wakângela, nanko kukô ngasentloko yakê iqebengwana elosiweyo *lesonka* neselwa lamanzi. Wadla-ke, wasela, wabuya walala.

7 Sabuya isitûnywa sika-Yehova okwesibini, samshukumisa, satî, Vuka udle; ngokuba uhambô lukûlu kuwe.

8 Wavuka-ke, wadla wasela, wahambâ ngamandla okokudla imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, wada wafika entabeni ka-Tîxo e-Horebe.

9 Waya emqolombêni apô, walala kôna. Nalo ilizwi lika-Yehova lifika kuye, latî kuye, Uyinto-nina apâ, Eliya?

10 Watî yena, Ndenziwe likwele ngenxa ka-Yehova, u-Tîxo wemikôsi; ngokuba bawushiyile umnqopiso wakô onya-

Digitized by Google

na baka-Sirayeli, izibingelelo zakô bazigungxula, aba-profeti bakô bababulala ngefele; ndasala ndedwa; bafuna umpêfumlo wam-ke, ukuba bawukûpê.

11 Satî, Pûma, ume entabeni pâmbî ko-Yehova. Nanko u-Yehova edlula, nomoya omkûlu onamandla uzifazula intaba, uziqêkeza ingxondofa pâmbî ko-Yehova, engekô u-Yehova emoyeni lowo; emveni komoya kwakô inyikima, akabikô u-Yehova enyikimeni;

12 Emveni kwenyikima kwabakô umlilo; akabikô u-Yehova emlilweni; emveni komlilo kwabakô ulwandile lokupêpêzela okuhle.

13 Kwatî, akuva u-Eliya, wabugqubutêla ubuso bakê ngengubo yakê enkulu, wapûma wema esangweni lomqolombâ; nanko kufika kuye ilizwi, lisitî, Uyintonina apa, Eliya?

14 Watî, Ndenziwe likûwele ngenxa ka-Yehova, u-Tixo wemikôsi; ngokuba bawushiyile umnqopiso wakô onyana baka-Sirayeli, izibingelelo zakô bazigungxula, aba-profeti bakô bababulala ngefele; ndisele ndedwa; bafuna umpêfumlo wamke, ukuba bawukûpê.

15 Watî u-Yehova kuye, Hamb'ubuye ngendlela yakô, uye entlango yase-Damasko, uye umtâmbîse u-Hazayeli abe ngukumkani kuma-Aram;

16 Utâmbîse u-Yehu unyana ka-Nimshi abe ngukumkani kuma-Sirayeli; utâmbîse u-Elisha unyana ka-Shafati wase-Abele-mehola abe ngum-profeti esikûndleni sakô.

17 Kotî-ke, atî osinde efeleni lika-Hazayeli, abulawe ngu-Yehu; atî osinde efeleni lika-Yehu, abulawe ngu-Elisha.

18 Ke ndozishiyela kwa-Sirayeli isixênxe samawaka, amadolo onke angaguqanga ku-Bahali, imilomo yonke engamanganga.

19 Wemka-ke apô, wafumana u-Elisha unyana ka-Shafati elima; kukô ishumi elinesibini le-dyokwê pâmbî kwakê; yena-ke elunge neyeshumi elinesibini. U-Eliya wegqitâ kuye, wapôsa ingubo yakê enkulu kuye.

20 Wazishiya inkabi, wabaleka emva ko-Eliya, watî, Makê ndiyokwanga ubawo nomâ, ndikulandele-ke. Watî kuye, Hamb'ubuye; ndikwenze nto-nina?

21 Wabuya-ke ekumlandeleni, wazitâbatâ inkabi ze-dyokwê enye, wabingelela ngazo, wayipêka inyama ngeimpahla zenkabi-ezo, wanika abantu, badla. Wesuka-ke, walandela u-Eliya wamlungiselela.

20 Kekaloku u-Ben-hadade ukumkani wama-Aram wayibutâ yonke impi yakê; enokumkani abangamashumi amatâtû anababini, namahashe, nenqwelo zokulwa; wenyuka, wawungqinga umzi wakwa-Samari, walwa nawo.

2 Watûmela abatûnywa ku-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli, kulomzi, watî kuye, Utsho u-Ben-hadade ukutî,

3 I-silvere yakô ne-golide yakô yeyam, nabafazi bakô nabantwana bakô abo bahle ngabam.

4 Wapêndula ukumkani wakwa-Sirayeli, watî, Ngokwelizwi lakô, nkosi yam, kumkani, ndingowakô, nako konke endinako.

5 Bapînda abatûnywa, batî, Utsho u-Ben-hadade ukutî, Ndatûmela kuwe, ndisitî, Ndinike i-silvere yakô, ne-golide yakô, nabafazi bakô, nabantwana bakô;

6 Ukuba nditê, mayela nelixa ngomso, ndabatûmela kuwe abakônzi bam, bayigqutâgqutâ indlu yakô, nezindlu zabakônzi bakô; botî, konke okutândekayo emehlweni akô, bakutâbatê ngesandla sabo, bemke nako.

7 Ukumkani wakwa-Sirayeli wabiza onke amadoda amakûlu elizwe, watî; Qondani-ke nibone, ukuba lo unxâmele ububi; ngokuba ubetûmele kum, ebiza abafazi bam, nabantwana bam, ne-silvere yam, ne-golide yam; andamangala.

8 Atî kuye onke amadoda amakûlu nabantu bonke, Mus'ukupûlapûla, uz'ungavumi.

9 Watî-ke kubatûnywa baka-Ben-hadade, Notî enkosini yam ukumkani, Yonke into obumtûme yona umkônzi wakô ngokokuqala, ndoyenza; lento yona andinakuyenza. Bemka-ke abatûnywa, babuya nelozwi.

10 Watûmela u-Ben-hadade kuye, watî, Mabenje-nje otîxo kum, baqokele ukwenje-nje, ukuba lutê utûli lwakwa-Samari lwalingana ukuzalisa izandla zabantu bonke abandilandelayo.

11 Wapêndula ukumkani wakwa-Sirayeli, watî, Yitîni, Makangaqâyisi osabînqe ifele njengoselelikûlule.

12 Kwatî, akuliva elozwi *u-Ben-hadade*,

Digitized by Google

akubon' ukuba uyasela, yena nokumkani abo eminqubeni, watí kubakônzi bakê, Yakâni uluhlu. Balwakâ-ke uluhlu kulomzi.

13 Kwabonakala m-profeti utíle, wafika ku-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli, watí, Utsho u-Yehova ukutí, Uyibonile-na yonke lengxokolo ingakanana? Yabona ndiyinikele esandleni sakô namhla; wazi ukuba ndingu-Yehova.

14 Watí-ke u-Ahabi, Ngabanina? Watí yena, Utsho u-Yehova ukutí, Ngamadodana abatêtêli bamazwe. Watí, Ngubani-na oya kuqala ukulwa? Watí, Nguwe lo.

15 Wawabala-ke amadodana abatêtêli bamazwe, aba ngamakûlu amabini anamanci matâtû anamabini; emva kwawo wababala bonke abantu; bonke onyana baka-Sirayeli baba ngamawaka asixênxe.

16 Bapûma emin' enkulu. Kekaloku u-Ben-hadade ubesela, enxila eminqubeni, yena nokumkani abamashumi matâtû anababini, okumkani abo bamncedisayo.

17 Apûma kuqala amadodana abatêtêli bamazwe. Watûmela u-Ben-hadade, bamxelela, besití, Kupûme amadoda kwa-Samari.

18 Watí, Nokuba apûmele uxolo, wabambêni ehleli; nokuba apûmele ukulwa, wabambêni ehleli.

19 Apûma-ke lamadodana abatêtêli bamazwe kuwo umzi, nempi ebiwalandela.

20 Yaba ngulowo wabulala umntu; asaba-ke ama-Aram; ama-Sirayeli awasukela; wasinda u-Ben-hadade ukumkani wakwa-Aram ngehashe enabamahashe.

21 Wapûma ukumkani wakwa-Sirayeli, wawaxabela amahashe nenqwelo zokulwa; waxabela pâkatí kwama-Aram ngoxabelo olukûlu.

22 Wafika um-profeti-lowa kukumkani wakwa-Sirayeli, watí kuye, Hamb'okuzomeleza, ukuqonde ukubone okwenzayo; ngokuba ukuvela komnyaka ukumkani wakwa-Aram uya kunyuka alwe nawe.

23 Kekaloku abakônzi bokumkani bakwa-Aram batí kuye, Ngotíxo basezintabeni otíxo babo, kukô lento bomeleleyo kunatí; masilwe nabo-ke ematâfeni, ukuba asisokomelela-na kunabo.

24 Yenza lento: bashenxise okumkani aba, elowo endaweni yakê, umise amabambâ ezikûndleni zabo;

25 Uzibalele impi engangempi-le iwileyo kuwe, amahashe abe ngangalawahashe, inqwelo zokulwa zibe ngangezonqwelo zokulwa, silwe nabo-ke ematâfeni, ukuba asisokomelela-na kunabo. Walipûlapûla izwi labo, wenje njalo.

26 Kwatí, ekuveleni konyaka, wawabala u-Ben-hadade ama-Aram, wenyuka waya kulwa nama-Sirayeli e-Afeki.

27 Babalwa onyana baka-Sirayeli, baxôtyiswa, baya kubahlangabeza; bamisa onyana baka-Sirayeli pâmbí kwabo, benjengemihlanjana emibini ye-bôkwe; ama-Aram alizalisa ilizwe.

28 Wafika umfo wakwa-Tíxo, watí kukumkani wama-Sirayeli, Utsho u-Yehova ukutí, Ngenx' enokuba tê ama-Aram, Ngutíxo wasezintabeni u-Yehova, akangutíxo wasezintilini, ndiya kuyinikela esandleni sakô yonke lengxokolo ingaka, nazi ukuba ndingu-Yehova.

29 Yamisa-ke, ikângelene imihla esixênxe. Kwatí ngomhla wesixênxe, yadibana. Onyana baka-Sirayeli babulala kuma-Aram ikûlu lamawaka kumqikela ngamini-nye.

30 Aseleyo asabela e-Afeki, ela pakatí komzi. Kwawa udonga pêzu kwamawaka angamashumi amabini anamawaka asixênxe amadoda aseleyo. Wasaba u-Ben-hadade, wangena kulomzi, watûngela amagumbí.

31 Batí kuye abakônzi bake, Kâukângele, sivile ukuba okumkani bendlu yakwa-Sirayeli ngokumkani abanenceba. Makê sibeke ingubo ezifwexayo emanqeni, nentambo ezintloko zetû, sipûme siye kukumkani wama-Sirayeli, mhlaumbí wowusindisa umpêfumlo wakô.

32 Babînqa-ke ingubo ezifwexayo emanqeni, babeka intambô ezintloko zabo, baya kukumkani wakwa-Sirayeli, batí, Umkônzi wakô u-Ben-hadade utí, Kâusindise umpêfumlo wakê. Watí yena, Usapílile-na? ngumzalwana wam.

33 Lomadoda-ke atí litâmsanqa, anxâmisa ukumfwebesha, ukuba elo lelakêna; ati, Ngumzalwana wakô u-Ben-hadade. Watí wena, Yiyani kumtâbatâ. Wapûma u-Ben-hadade weza kuye; wamkwêlisa enqweleni,

34 Watí *u-Ben-hadade* kuye, Imizi awayitâbatâyo ubawo kuyihlo ndiya kuyibuyisa; uzenzele izi-trate e-Damasko, njengoko wazenzayo ubawo kwa-Samari.

Digitized by Google

Watî u-*Ahabi*, Ndiya kukumdululula nalo-mnqopiso. Wamenzela-ke umnqopiso, wamndululula.

35 Kekaloku indoda etile yakonyana ba-ba-profeti yatî kuwayo ngeliżwi lika-Yehova, Kâundibetê. Akavuma lomntu ukuyibetâ.

36 Yatî kuye, Ngenxa yokuba ungalipûlapûlanga izwi lika-Yehova, uyabona, ekumkeni kwakô kum uya kubulawa yingonyama. Wemka kuyo; yamfumana ingonyama, yambulala.

37 Yafumana mntu wumbî, yatî, Kâundibetê. Wayibetâ-ke lomntu, wayibetâ wayilimaza.

38 Wahambâ um-profeti lowo, wamlinda ukumkani endleleni, wazenza mntu wumbî ngokubopâ iqîya emehlweni.

39 Kwatî, akubon'ukuba uyadlula ukumkani, wamemeza kukumkani, watî, Umkônzi wakô lo wapûma waya emfazweni pâkatî; nanko kutyeka indoda, yeza nomntu kum, yatî, Gcina lomntu; ukuba utê akabikô: umpêfumlo wakô woba sesikûndleni sompêfumlo wakê, okanye wohlaula nge-talente ye-silvere.

40 Akuba esebenza umkônzi wakô lo apâ napâya, wesuka watî-shwaka. Watîke ukumkani wakwa-Sirayeli kuye, Sinjalo isigwebo sakô; umise wagqiba.

41 Wakâuleza, wayisusa iqîya emehlweni akê. Wamazi ukumkani wakwa-Sirayeli, ukuba ungowaseba-profetini.

42 Watî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yokundululula kwakô esandleni indoda endayisingela pântsi, umpêfumlo wakô uya kuba sesikûndleni sompêfumlo wayo, nabantu bakô babe sesikûndleni sabantu bayo.

43 Waya ukumkani wakwa-Sirayeli endlwini yakê, *ubuso* ebutê-nkwa, ejalile, wafika kwa-Samari.

21 Kwatî emveni kwezozinto, u-Naboti wase-Yizereli enesi-diliya esise-Yizereli, ngasebôtweni lika-Ahabi ukumkani wakwa-Samari,

2 Watêtâ u-Ahabi ku-Naboti, watî, Ndinike isi-diliya sakô, ukuba sibe ngumyezo wemifuno; ngokuba sisondelelene nendlu yam; ndokunika isi-diliya esilungileyo kuneso esikûndleni saso; ke ukuba kutê kwalunga emehlweni akô, ndokunika imali esilingeneyo.

3 Watî u-Naboti ku-Ahab, Makube lé kum ngenxa ka-Yehova, ukuba ndikunike ilifa lobawo.

4 U-Ahabi waya endlwini yakê ebutênkwa *ubuso*, ejalile lilizwi abelitêtîle kuye u-Naboti wase-Yizereli, watî, Andikukunika ilifa lobawo. Waya walala esinqenqelweni, wabeka pâya; akadla nokudla.

5 Wafika u-Izebele umkakê kuye, watî kuye, Yinina ukuba usangane kangaka, ungadli nokudla?

6 Watî kuye, Kungokuba nditêtê ku-Naboti wase-Yizereli, ndatî kuye, Ndinike isi-diliya sakô ngemali; okanye ukuba uyavuma, ndokunika esinye isi-diliya esikûndleni saso; watî, Andikukunika isi-diliya sam.

7 Watî u-Izebele umkakê kuye, Wena, ubupêtwe nguwe-na ngoku ubukumkani bakwa-Sirayeli? vuka udle ukudla, icwayite intliziyo yakô, ndokunika mna isi-diliya sika-Naboti wase-Yizereli.

8 Wabâla incwadi egameni lika-Ahabi, wazitywina ngomsesane wakê, wazitûmela ezoncwadi kumadoda amakûlu nakubanumzana ababe kulomzi wakê, ababehleli no-Naboti.

9 Wabâla kwezoncwadi, watî, Memani uzilo lokudla, nimbeke u-Naboti pâmbî kwabantu,

10 Nibeke amadoda amabini angamatshijolo pâmbî kwakê, anqîne ngaye, atî, Wena utûke u-Tixo nokumkani. Nimkûpele pândle nimgibisele ngamatye, afe.

11 Amadoda omzi wakê, amadoda amakûlu nabanumzana ababehleli kulomzi wakê, benza njengoko abebatûmele ngako u-Izebele, njengoko kwakubâliwe ezincwadini, abezitûmele kubo.

12 Bamema uzilo lokudla, bambeka u-Naboti pâmbî kwabantu.

13 Kwafika lomadoda mabini angamatshijolo, ahlala pâmbî kwakê, amadoda lawo angamatshijolo anqîna ngaye u-Naboti pâmbî kwabantu, atî, U-Naboti utûke u-Tixo nokumkani. Bamkûpêla ngapândle komzi, baŋgibisela ngamatye; wafa.

14 Batûmela-ke ku-Izebele, batî, U-Naboti ugityiselwe ngamatye, wafa.

15 Kwatî, akuva u-Izebele ukuba u-Naboti ugityiselwe ngamatye, wafa, watî u-Izebele ku-Ahabi, Suk'usitâbatê isi-diliya sika-Naboti wase-Yizereli, abengavumi ukukunika ngemali; ngokuba u-Naboti akasekô, ufile.

16 Kwatî, akuva u-Ahabi ukuba u-Na-

Digitized by Google

boti ufile, wesuka u-Ahabi, wehla, waya kusitâbatâ isi-diliya sika-Naboti wase-Yizereli.

17 Lafika ilizwi lika-Yehova ku-Eliya wase-Tishebi, lisitî,
18 Suk'uhle, uye kukâulela u-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli okwa-Samari; nanko esesi-diliyeni sika-Naboti, ehle waya kusitâbatâ;
19 Utêtê kuye, utî, Utsho u-Yehova ukutî, Ubulele-na, watâbatâ-na? Utêtê kuye, utî, Utsho u-Yehova ukutî, Endaweni ezixâpele kuyo izinja igazi lika-Naboti, ziya kulixâpela kôna izinja igazi lakô, wena lo.
20 Watî u-Ahabi ku-Eliya, Undifumenena, lutshaba lwam? Watî yena, Ndikufumene; ngenx'enokuba uzitêngisele ukwenza okubi emehlweni ka-Yehova.
21 Uyabona, ndikuzisela ububi, ndiwatshayele amavela-mva akô, ndiyinqamle kwa-Ahabi yonke into eyindoda, ovalelweyo novulelweyo kwa-Sirayeli,
22 Ndiyenze indlu yakô ibe njengendlu ka-Yarobeham unyana ka-Nebati, nanjengendlu ka-Bahesha unyana ka-Ahiya, ngenxa yokuqumbîsa ondiqumbîse ngako, wawônisa ama-Sirayeli.
23 Kananjalo watêtâ u-Yehova ngo-Izebele, watî, U-Izebele uya kudliwa zizinja emseleni wonqâmeko lwase-Yizereli.
24 Owakwa-Ahabi, ofela pâkati komzi uya kudliwa zizinja; ofela endle uya kudliwa zintaka zasendle.
25 Kodwa bekungekô unjengo-Ahabi, owazitêngisela ukwenza okubi emehlweni ka-Yehova, owaxôkonxwayo ngu-Izebele umkakê.
26 Wenza ngokwamasikizi kunene ngokulandela izitixo ezizizigodo njengoko enza ngako ama-Amori, awawagqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.
27 Kwatî, akuweva u-Ahabi lomazwi ka-Eliya, waziŕazula ingubo zakê, wabeka ingubo ezirŵexayo enyameni yakê, wazila ukudla, walala ngengubo ezirŵexayo, wahambâ kuhle.
28 Lafika ilizwi lika-Yehova ku-Eliya wase-Tishebi, lisiti,
29 Uyakubona-na, ukuzitôba kwakê u-Ahabi ebusweni bam? Ngenx' enokuba ezitôbile ebusweni bam, andiyi kubuzisa ububi emihleni yakê; ndiya kuyizisela ububi indlu yakê ngemihla yonyana wakê.

22 Kwahlalwa iminyaka yamitâtû, kungekô mfazwe pâkatî kwama-Aram nama-Sirayeli.
2 Kwatî ngomnyaka wesitâtû wehla u-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, waya kukumkani wakwa-Sirayeli.
3 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli kubakônzî bakê, Anazi-na ukuba i-Ramoti-yase-Giliyadi yeyetû, ukanti sitê-cwaka tîna, asiyihlutî esandleni sokumkani wakwa-Aram?
4 Watî ku-Yehoshafati, Wohambâ-na nam, siŵe ne-Ramoti-yase-Giliyadi? Watî u-Yehoshafati kukumkani wakwa-Sirayeli, Ndinjengawe, abantu bam banjengabantu bakô, amahashe am anjengamahashe akô.
5 Watî u-Yehoshafati kukumkani wakwa-Sirayeli, Kâubuze ilizwi lika-Yehova namhla.
6 Wabahlanganisa-ke ukumkani wakwa-Sirayeli aba-profeti, bekumakûlu amane amadoda, watî kubo, Ndiye kulwa-na ne-Ramoti-yase-Giliyadi, ndiyeke kusinina? Batî, Nyuka; i-Nkosi yoyinikela esandleni sokumkani.
7 Watî u-Yehoshafati, Akusekô m-profeti ka-Yehova-na apâ, sibuzise kuye?
8 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Kusekô indoda enye, esingabuzisa ngayo ku-Yehova; ke mna ndiyitîyile; ngokuba ayiprofeti okulungileyo ngam, iprofeta okubi: ngu-Mikaya [1] unyana ka-Imla. Watî u-Yehoshafati, Makangatsho ukumkani.
9 Waza ukumkani wakwa-Sirayeli wabiza umbusi, watî, Kâulezisa u-Mikaya unyana ka-Imla eze apâ.
10 Ke, ukumkani wakwa-Sirayeli no-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda wahlala elowo e-troneni yakê, evetê ingubo zakê, esandeni, ekungeneni esangweni lakwa-Samari; bonke aba-profeti beprofeta pâmbi kwabo.
11 Ke, u-Tsedekiya unyana ka-Kenâna wazenzela impondo zesinyiti, watî, Utsho u-Yehova ukutî, Uya kuwangqula ngazo ezi ama-Aram, ude uwagqibe.
12 Bonke aba-profeti benje njalo ukuprofeta, besitî, Nyuka, uye e-Ramoti yase-Giliyadi, ube nempumelelo; u-Yehova uya kuyinikela esandleni sokumkani.
13 Ke, umtûnywa obeye kubiza u-Mikaya, watêtâ kuye, esitî, Kâubone, amazwi

[1] Okunye Mikayehu.

Digitized by Google

aba-profeti atêtâ okuhle ngamlomo mnye kukumkani; izwi lakô makê libe njengelizwi labo, utêtê okuhle.

14 Watî u-Mikaya, Ehleli-nje u-Yehova, atê wakutêtâ kum u-Yehova ndotêtâ kôna.

15 Wafika kukumkani. Watî ukumkani kuye, Mikaya, siye-na e-Ramoti yase-Giliyadi ukuba silwe, siyeke kusinina? Watî kuye, Nyuka, ube nempumelelo; u-Yehova uya kuyinikela esandleni sokumkani.

16 Watî ukumkani kuye, Makube zihlandlo ezingapîna ndikufungisa, ukuba ungandixeleli into engeyiyo inyaniso ngegama lika-Yehova?

17 Watî yena, Ndibone ama-Sirayeli onke elusali ezintabeni njengempahl' emfutshane enge namalûsi. Watî u-Yehova, Aba abanankosi; mababuyele elowo endlwini yakê enoxolo.

18 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Bendingatshongo-na, ukutî kuwe, akakuprofeta okuhle ngam, woprofeta ububi bodwa?

19 Watî yena, Ngako oko live ilizwi lika-Yehova: Ndimbonile u-Yehova ehleli e-troneni yakê, umi wonke umkôsi wasezulwini ngakuye, ngasekunene kwakê nangasekôhlo kwakê.

20 Watî u-Yehova, Ngubanina oya kulukuhla u-Ahabi, enyuke aye awe e-Ramoti yase-Giliyadi? Wenje-nje lo ukutêtâ, wenje-nje lo ukutêtâ.

21 Wapûma-ke umoya, wema pâmbî ko-Yehova, watî, Ndomlukuhla mnâ. Watî u-Yehova kuwo, Nganto-nina?

22 Watî wona, Ndopûma ndiye, ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni waba-profeti bakê bonke. Watî yena, Uya kumlukuhla, ufeze; pûma uye, wenje njalo.

23 Uyabona kaloku, u-Yehova ungenise umoya wobuxoki emlonyeni waboba-profeti bakô bonke; u-Yehova utêtê okubi ngawe.

24 Wesuka u-Tsedekiya unyana ka-Kenahana, wafika, wambetâ u-Mikaya esidleleni, watî, Ugqitê pîna kum u-Moya ka-Yehova, ukuba uye kutêtâ kuwe?

25 Watî u-Mikaya, Kângela, uya kubona ngalomini, uya kuza utângele ingontsi, uzimela.

26 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli, Mtâbatê u-Mikaya, ubuye naye, umse ku-Amon umtêtêli womzi, naku-Yowashe unyana wokumkani;

27 Utî, Utsho ukumkani ukutî, Mfakeni entolongweni lo, nimdlise isonka soxiniweyo, namanzi oxiniweyo, ndide ndibuye ndinoxolo.

28 Watî u-Mikaya, Ukuba utê wabuya wabuya unoxolo: woba u-Yehova akatêtânga ngam. Watî, Yivani, nonke zizwe zipêla.

29 Wenyuka-ke ukumkani wakwa-Sirayeli no-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, baya e-Ramoti yase-Giliyadi.

30 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Ndiya kuzenza mntu wumbî, ndingene ekulweni; yambâtâ ingubo zakô wena. Wazenza mntu wumbî ukumkani wakwa-Sirayeli, wangena ekulweni.

31 Ke ukumkani wakwa-Aram wabawisela umtêtô abatêtêli bakê benqwelo zokulwa abamashumi matâtû anababini, watî, Ize ningalwi nomncinane nomkûlu; yilwani nokumkani wakwa-Sirayeli yedwa.

32 Kwatî, bakumbona u-Yehoshafati abatêtêli benqwelo zokulwa, batî bona, Inene, ngukumkani wakwa-Sirayeli; batyeka-ke, beza kulwa naye. Wakâla u-Yehoshafati.

33 Kwatî, bakubona abatêtêli benqwelo zokulwa ukuba asinguye ukumkani wakwa-Sirayeli, babuya ekumsukeleni.

34 Watî umntu watyeda isapêtâ, efunisela, watsho kukumkani wakwa-Sirayeli ekuhlanganeni kwengubo yentsimbî namasondo ayo. Watî yena kumqûbi wenqwelo yakê yokulwa, Jika izandla zakô, undise ngapândle komkôsi, ngokuba ndinxwelefiwe.

35 Ukulwa kwenyuka lomini. Ukumkani wazimisa enqweleni pâmbî kwama-Aram, wafa ngokuhlwa; igazi lenxeba lakê lancenceza, laya esiswini senqwelo.

36 Kwavakala kukwazwa emkôsini, ukutshona kwelanga, kusitîwa, Elowo emzini wakê! elowo ezweni wakê!

37 Wafa-ke ukumkani, waziswa kwa-Samari. Bamncwabela ukumkani kwa-Samari.

38 Yahlanjwa inqwelo yokulwa ecîbini lakwa-Samari; izinja zalixâpa igazi lakê; (ehlamba apô amahenyukazi,) ngokwelizwi lika-Yehova abelitêtîle.

39 Ezinye izinto zika-Ahabi, nako konke awakwenzayo, nendlu awayakâyo ngempondo zendlovu, nemizi yonke awayakâyo, azibâlwanga-na encwadini yemici-

Digitized by Google

mbî yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

40 Walala u-Ahabi koyise; u-Ahaziya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

41 U-Yehoshafati unyana ka-Asa waba ngukumkani kwa-Yuda ngomnyaka wesine ka-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli.

42 U-Yehoshafati ube minyaka imashumi matâtû anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê. Waba neminyaka emashumi mabini anamihlanu engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina lalingu-Azúba intombî ka-Shilehi.

43 Wahambâ ngendlela zonke zika-Asa uyise, akatyéka kuzo; esenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova; kodwa izigânga azisuswanga; abantu babesabingelela beqûmisela ezigângeni.

44 U-Yehoshafati wahlalelana ngoxolo nokumkani wakwa-Sirayeli.

45 Ezinye izinto zika-Yehoshafati, nobugofa bakê awabenzayo, nokulwa kwakê, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

46 Amasalela enñawu, awasalayo ngemihla kayise u-Asa, wawatshayela ezweni.

47 Bekungekô kumkani oko kwa-Edom. Bekulaula ibambâ.

48 U-Yehoshafati wenza inqanawa zakwa-Tarshishe zokuya kutâbatâ i-golide kwa-Ofire. Azaya, ngokuba inqanawa-ezo zapûka e-Etsiyon-gebere.

49 Waza watî u-Ahaziya unyana ka-Ahabi ku-Yehoshafati, Abakônzi bam mabahambê nabakônzi bakô ngenqanawa. Akavuma u-Yehoshafati.

50 U-Yehoshafati walala koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davidê uyise. U-Yehoram unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

51 U-Ahaziya unyana ka-Ahabi waba ngukumkani kuma-Sirayeli kwa-Samari ngomnyaka weshumi elinesixênxe ka-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, waba neminyaka emibini engukumkani kwa-Sirayeli.

52 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, wahambâ ngendlela kayise, nangendlela kanina, nangendlela ka-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisayó ama-Sirayeli:

53 Wakônza u-Bahali, waqubuda kuye, wamqumbîsa u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli njengakô konke awakwenzayo uyise.

INCWADI YESIBINI YOKUMKANI.

ISIQENDU I.

KEKALOKU ama-Mowabi areqa kuma-Sirayeli emva kokufa kuka-Ahabi.

2 U-Ahaziya wawa e-festileni yegumbî lakê elipézulu elikwa-Samari, wahliwa kukufa-ke; watúma abatûnywa, watî kubo, Hambâni niye kubuzisa ku-Bahali-zebubi utîxo wase-Ekron, ukuba ndiya kupila-na kwesisifo?

3 Ke isitûnywa sika-Yehova sasitêtile ku-Eliya wase-Tishebi, satî, Suka, unyuke uye kukâulela abatûnywa bokumkani wakwa-Samari, utêtê kubo, utî, Kungokuba kungekô Tixo kwa-Sirayeli-na, lento niya kubuzisa ku-Bahali-zebubi utîxo wase-Ekron?

4 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Isinqênqélo-eso, unyuke waya kuso, akusayi kuhla kuso, inene, uya kufa. Wahambêke u-Eliya.

5 Babuya abatûnywa, beza kuye. Watî kubo, Yinina ukuba nibuye?

6 Bati kuye, Kunyuke indoda, yeza kusikâulela, yatî kutî, Hambâni nibuye niye kukumkani-lowo unitûmileyo, nitêtê kuye, nitî, Utsho u-Yehova ukutî, Kungokuba kungekô Tixo kwa-Sirayeli-na, lento utûmela ukuba kubuziswe ku-Bahali-zebubi utîxo wase-Ekron? Ngako oko isinqênqélo-eso, unyuke waya kuso, akusayi kuhla kuso, inene, uya kufa.

7 Watêtâ kubo, watî, Iluhlobo lunina indoda-leyo inyukileyo yeza kunikâulela, yatêtâ lomazwi kuni?

Digitized by Google

8 Batí kuye, Yindoda engubo ixónti, ebínge umbinqo wentlonze esinqeni sayo. Watí-ke, Ngu-Eliya wase-Tishebi.

9 *Ukumkani* watúmela kuye umtétéli-mashumi-mahlanu enamashumi omahlanu aké. Wenyuka weza kuye; nanko-ke ehleli encotsheni yentaba. Watétá kuye watí, Mfo wakwa-Tixo, utè ukumkani, Yihla.

10 Wapéndula u-Eliya, watí kumtétéli-mashumi-mahlanu, Ukuba-ke mna ndingumfo wakwa-Tixo, makuhle umlilo ezulwini, ukudle wena namashumi omahlanu akó. Kwehla-ke umlilo ezulwini, wamdla yena namashumi omahlanu aké.

11 Wabuya watúmela kuye omnye umtétéli-mashumi-mahlanu enamashumi omahlanu aké. Wenyuka watí kuye, Mfo wakwa-Tixo, utsho ukumkani ukuti, Káuleza uhle.

12 Wapéndula u-Eliya, watí kubo, Ukuba-ke ndingumfo wakwa-Tixo, makuhle umlilo ezulwini, ukudle wena namashumi omahlanu akó. Wehla-ke umlilo ka-Tixo ezulwini, wamdla yena namashumi omahlanu aké.

13 Wabuya watúma owesitátú umtétéli-mashumi-mahlanu enamashumi omahlanu aké. Wenyuka-ke owesitátú umtétéli-mashumi-mahlanu, waguqa ngamadolo pambi ko-Eliya, watafuzisa kuye, watí kuye, Mfo wakwa-Tixo, maunqabe emehlweni akó umpéfumlo wam nompéfumlo wabakónzi bakó abamashumi mahlanu.

14 Uyabona, kwehla umlilo ezulwini, wabadla abatétéli bobabini balomashumi angamahlanu kunye namashumi omahlanu abó; ngoko-ke maunqabe emehlweni akó umpéfumlo wam.

15 Satí isitúnywa sika-Yehova ku-Eliya, Yihla naye; mus'ukumoyika. Wesuka-ke, wehla waya naye kukumkani.

16 Watí kuye, Utsho u-Yehova ukuti, Ngenx' enokuba utúmele abatúnywa bokubuzisa ku-Bahali-zebuli utíxo wase-Ekron, kungokuba kungekó Tixo kwa-Sirayeli-na kungabuziswa kuye? Ngako oko singénqélo-eso, unyuke waya kuso, akusayi kuhla kuso, inene uya kufa.

17 Wafa-ke ngokwelizwi lika-Yehova elatétwá ngu-Eliya. U-Yehoram waba ngukumkani esikúndleni saké, ngonyaka wesibini ka-Yehoram unyana ka-Yehoshafati, ukumkani wakwa-Yuda; ngokuba yena e-benge nanyana.

18 Ezinye izinto zika-Ahaziya awazenzayo, azibálwanga-na encwadini yemicimbí yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

2 Kwatí ekuzakumnyuseni kuka-Yehova u-Eliya ngomoya ovutúzayo ukuba aye ezulwini, wabe u-Eliya ehambá no-Elisha, besuka e-Giligali.

2 Watí u-Eliya ku-Elisha, Káuhlale apá; ngokuba u-Yehova unditúme e-Beteli. Watí u-Elisha, Ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje nmpéfumlo wakó, andiyi kwahlukana nawe. Behla-ke, baya e-Beteli.

3 Bapúma onyana baba-profeti ababe se-Beteli, baya ku-Elisha, batí kuye, Uyazi-na kodwa ukuba namhla-nje uyayisusa u-Yehova inkosi yakó entloko yakó? Watí, Ndiyayazi lonto; yitíni-cwaka.

4 Watí u-Eliya kuye, Elisha, káuhlale apá; ngokuba u-Yehova unditúme e-Yeriko. Watí, Ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje umpéfumlo wakó, andiyi kwahlukana nawe. Bangena-ke e-Yeriko.

5 Beza onyana baba-profeti ababe se-Yeriko ku-Elisha, batí kuye, Uyazi-na kodwa ukuba namhla uyayisusa u-Yehova inkosi yakó entloko yakó? Watí ndiyayazi lonto; yitini-cwaka.

6 Watí u-Eliya kuye, Káuhlale apá; ngokuba u-Yehova unditúme e-Yordan. Watí, Ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje umpéfumlo wakó, andiyi kwahlukana nawe. Bahambá-ke bobabini.

7 Kwahambá amadoda amashumi mahlanu konyana baba-profeti, afika ema mgama malunga nabo. Bona bema bobabini ngase-Yordan.

8 U-Eliya wayitábatá ingubo yaké enkulu, wayisonga, wabetá ngayo emanzini; ahluka, asinga ngapá nangapá; bawela bobabini komile.

9 Kwatí, xa bawelileyo, watí u-Eliya ku-Elisha, Cela into ndikwenzele, ndingekasuswa kuwe. Watí u-Elisha, Mandizuze izahlulo ezibini zomoya wakó.

10 Watí, Ucele into enzima; kodwa-ke ukuba utè wandibona ukususwa kwam kuwe, koba njalo; ukuba akutánga undibone, akuyi kuba njalo.

11 Kwatí, besahambá, behambá betétá, kwabonakala inqwelo yomlilo namahashe omlilo; yabahlula bobabini; wenyuka u-Eliya ngomoya ovutúzayo, waya ezulwini.

12 U-Elisha akubona oko, wadanduluka, watí, Bawo, Bawo, nqwelo yokulwa ya-

Digitized by Google

kwa-Sirayeli, nabamahashe ayo! Akabi sambona. Wazibambå ezake ingubo, wazirazula zaziqwenga zibini,

13 Wayicôla ingubo enkulu ka-Eliya eyayiwe kuye; wabuya, wafika, wema elunxwemeni lwe-Yordan.

14 Wayitåbatå ingubo enkulu ka-Eliya eyayiwe kuye, wabetå ngayo emanzini, watî, Upîna u-Yehova, u-Tîxo ka-Eliya, yena kanye? Wabetå-ke emanzini; ahluka asinga ngapå nangapå; wawela u-Elisha.

15 Bambona onyana baba-profeti ababe se-Yeriko malunga naye, batî, Umoya ka-Eliya uhleli ku-Elisha. Baya kumkåulela, baqubuda kuye.

16 Batî kuye, Yabona, kukô kubakônzi bakô amadoda amashumi mahlanu anoburoti; makè aye kuyifuna inkosi yakô, ukuba umoya ka-Yehova awuyifukulangana, wayipôsa entabeni etîle, nokuba kusemfuleni otîle. Watî, Musan' ukuwatûma.

17 Bamjoka, wada wanentloni, watî, Watûmeni. Bawatûma-ke amadoda amashumi mahlanu; amfuna intsuku ezintåtû,

18 Abnya eza kuye; waye ese-Yeriko, watî kuwo, Bendingatshongo-na kuni ukutî, Musan' ukuya?

19 Atî amadoda alomzi ku-Elisha, Uyabona, ukuma kwalomzi kuhle, njengoko ibonayo inkosi yetû; ke amanzi mabi, nalomhlaba awuniki-nto.

20 Watî, Ndiziseleni isi-kotile esitsha, nigalele ityuwa kuso. Amzisela-ke.

21 Wapûma, waya apô apûma kôna amanzi, wayigalela kuwo ityuwa, watî, Utsho u-Yehova ukutî, Ndiwapîlisile lamanzi; akusakuba sapûma kufa kuwo nakunganiki.

22 Apîla-ke amanzi-lawo unamhla, ngokwelizwi lika-Elisha awalitêtåyo.

23 Wenyuka apô waya e-Beteli. Utê xa anyuka ngendlela: kwapûma usapô, lwamgxwala, lwatî kuye, Nyuka, nqayindini; nyuka, nqayindini!

24 Wabêka ngasemva, walubona, waluqalekisa ngegama lika-Yehova. Kwapûma i-bêrekazi zambîni ehlatîni, zabaqwenga abantwana abamashumi mane anababini kulo.

25 Wesuka kôna, waya entabeni ya-Karmele; wesuka kôna, wabuyela kwa-Samari.

3 Kekaloku u-Yehoram unyana ka-Ahabi waba ngukumkani kuma-Sirayeli kwa-Samari, ngomnyaka weshumi elinesibôzo ka-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda; waba neminyaka elishumi elinamibîni engukumkani.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; kodwa akaba njengoyise nanjengonina; kuba wasisusa isimiso selitye sika-Bahali, awasenzayo uyise.

3 Kodwa-ke wanamatêla ezonweni zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisa ngazo ama-Sirayeli; akatyeka kuzo.

4 Kekaloku u-Mesha ukumkani wama-Mowabi ube ngumfuyi wegusha; eman' embuyisela ukumkani wakwa-Sirayeli ngoboya bekûlu lamawaka emvana, nekûlu lamawaka enkunzi zegusha.

5 Kwatî-ke akufa u-Ahabi, wareqa ukumkani wama-Mowabi kukumkani wama-Sirayeli.

6 Wapûma-ke ukumkani u-Yehoram ngayo lomini kwa-Samari, wawabala onke ama-Sirayeli.

7 Waya watûmela ku-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, esitî, Ureqile kum ukumkani wakwa-Mowabi; wohambå-na nam siye kulwa nama-Mowabi? Watî, Ndonyuka ndiye; ndinjengoko unjalo; abantu bam banjengoko banjalo abantu bakô; amahashe am anjengoko anjalo amahashe akô.

8 Watî, Sonyuka ngayipîna indlela? Watî ngendlela epûma entlango yakwa-Edom.

9 Wahambå-ke ukumkani wakwa-Sirayeli nokumkani wakwa-Yuda, nokumkani wakwa-Edom. Bahambå ngendlela ezungulezayo intsuku ezisixênxe; awabi namanzi umkôsi kwa nenkomo ebezibalandela.

10 Watî ukumkani wama-Sirayeli, Yeha, u-Yehova ubabizele abakumkani batåtû, ukuba abanikele esandleni sika-Mowabi.

11 Watî u-Yehoshafati, Akukô m-profeti ka-Yehova-na apå, sibuzise ku-Yehova ngaye? Wapêndula omnye wabakônzi bokumkani wakwa-Sirayeli, watî, Ukô apå u-Elisha unyana ka-Shafati, obegalela amanzi ezandleni zika-Eliya.

12 Watî u-Yehoshafati, Ilizwi lika-Yehova linaye. Behla-ke baya kuye ukumkani wakwa-Sirayeli no-Yehoshafati nokumkani wakwa-Edom.

Digitized by Google

13 Watî-ke u-Elisha kukumkani wama-Sirayeli, Yinto-nina enam nawe? Hamb'uye kuba-profeti bakayihlo, nakuba-profeti bakanyoko. Watî ukumkani wakwa-Sirayeli kuye, Hayi; ngokuba u-Yehova ubabizele abakumkani batâtû, ukuba abanikele esandleni sika-Mowabi.

14 Watî u-Elisha, Ehleli-nje u-Yehova wemikôsi, endimi pâmbî kwakê, ngendingakubêki, ndikubone, koko bendihlonele u-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda,

15 Ndiziseleni-ke ngoku umbetî-luhadi. Kwatî, xa umbetî-luhadi lo alubetâyo, samfikela isandla sika-Yehova.

16 Watî, Utsho u-Yehova ukutî, Senzeni esisihlambô sizale yimisele.

17 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Aniyi kubona moya, aniyi kubona mvula; esisihlambô-ke siya kuzala amanzi, nisele nina, nemihlambî yenu namaqegu enu.

18 Lonto ilula emehlweni ka-Yehova; uya kuwanikela nama-Mowabi esandleni senu.

19 Niyixabele yonke imizi enqatyisiweyo, nemizi yonke enyuliweyo, niyiwise yonke imitî emihle, niyidibelele yonke imitômbô yamanzi, niwônakalise onke amasimi amahle ngamatye.

20 Kwatî kusasa, xa kunyuswa umnikelo wokudla, nanko kusiza amanzi evela ngendlela yakwa-Edom, ilizwe lazal' amanzi.

21 Eva-ke onke ama-Mowabi, ukuba benyukile okumkani besiza kulwa nawo, ahlaba umkôsi kwintangá yonke exôbayo nengapêzulu, ema emdeni.

22 Avuka kusasa, ilanga litê-câpâ emanzini; ama-Mowabi awabona amanzi pâmbî kwawo ebomvu njengegazi;

23 Atî, Ligazi lento; okumkani bacîtêne bodwa, babulalana. Nalo-ke ixôba, Mowabi.

24 Afika-ke emkôsini wakwa-Sirayeli; asuka ama-Sirayeli, awaxabela ama-Mowabi, asaba wona ebusweni bawo, alingenela, ehamb'ewaxabela ama-Mowabi.

25 Bayigungxula nemizi; emasimini onke amahle, elowo wapôsa ilitye lakê, bawazalisa, bayidibelela yonke imitômbô yamanzi, bayiwisa yonke imitî emihle, kwada e-Kirharesete kwasala amatye ayo odwa, bayifaula abasauli, batsho kuyo.

26 Wabona ukumkani wama-Mowabi, ukuba impi imkûlele, watâbatêla kuye amadoda angamakûlu asixênxe afola ifele, ukuba atŷudise, abêke kukumkani wakwa-Edom; akabi nakô.

27 Watâbatâ unyana wakê wamazibulo, obeya kuba ngukumkani esikûndleni sakê, wamnyusa walidini elinyukayo pêzu kodonga. Afikelwa bubufalafume obukûlu ama-Sirayeli. Ancotûka kuye, abuyela ezweni lawo.

4 Kekaloku umfazi otile kubafazi bonyana baba-profeti wakâla ku-Elisha, esitî, Umkônzi wakô indoda yam ifile. Uyazi wena ukuba umkônzi wakô lowo ebemoyika u-Yehova; ke umboleki-mali uze kubatâbatêla kuye onyana bam bobabini, ukuba babe ngabakônzi.

2 Watî u-Elisha kuye, Ndikwenzele ntonina? Ndixelele, unanto-nina endlwini? Watî, Ikôbokazana lakô alinanto endlwini, kupêla ligubu le-oli.

3 Watî, Hamb'uye kuzibolekela izitya ngapândle, kubamelwane bakô bonke, izitya ezizé; zingabi mbâlwa;

4 Ungene, uzivalele wena nonyana bakô, utûlulele kwezozitya zonke, uzishenxise ezizeleyo.

5 Wemka-ke kuye, wazivalela yena nonyana bakê; bezisa kuye bona, watûlula yena.

6 Kwatî, zakuzala izitya, watî kunyana wakê, Zisa esinye isitya kum. Watî yena kuye, Akusekô sitya; yanqamka-ke i-oli.

7 Waya waxelela umfo wakwa-Tîxo; watî yena, Hamb'uye kutêngisa nge-oli leyo, uhlaule ityala lakô, upîle wena nonyana bakô ngeseleyo.

8 Kwatî ngamhl' utîle, u-Elisha wagqitêla e-Shunem, apô kwaye kukô intokazi elinonokazi; yamzama ukuba adle isonka. Ubesitî, xa agqitâyo, apâmbûkele kôna ukuba adle isonka.

9 Yatî endodeni yayo, Uyabona-ke, ndiyaqonda ukuba lomfo ungcwele wakwa-Tîxo uman' egqitâ apâ.

10 Masenze eludongeni igunjana elipêzulu, simbekele kôna isinqênqêlo ne-tafile nesi-tulo, nesibane, angene kôna akupâmbûkela kutî.

11 Kwatî ngamhl'utîle, waya kôna, wapâmbûkela egumbîni-elo lipêzulu, walala kôna.

12 Watî ku-Gehazi umfana wakwakê, Biza lom-Shunemekazi. Wambiza; wema pâmbî kwakê.

Digitized by Google

13 Watí kuye, Kâuti kuye, Uyabona, usikâtâlele ngayo yonke lenkatâlo; unga ungenzelwa nto-nina-ke? Unelizwi ongalenzelwayo-na kukumkani, nokuba kukumtêtêli-mkôsi? Watí yena, Ndihleli pâkatí kwabantu bakowetû.

14 Watí, Makenzelwe nto-nina? Watí u-Gehazi, Inyaniso, akananyana; indoda yake yalupêle.

15 Watí, Mbize. Wambiza, *wafika*, wema emnyango.

16 Watí, Mayela nelixesha nyakenye uya kusingatâ unyana. Watí yena, Musa, nkosi yam, mfo wakwa-Tîxo, mus' ukutêtâ amanga kwikôbokazana lakô.

17 Wamitâ-ke lomfazi, wazala unyana ngeloxesha limisiweyo lanyakenye, abelitêtile u-Elisha kuye.

18 Wakûla umntwana, kwati ngamhla utile, wapûma waya kuyise, kubavuni.

19 Watí kuyise, Intloko yam, intloko yam! Watí kumfana, Mtwale umse kunina.

20 Wamtwala, wamsa kunina; wahlala ematângeni akê, kwada kwasemini enkulu, waqauka-ke.

21 Wenyuka, wamlalisa esinqênqêlweni somfo wakwa-Tîxo, wamvalela, wapûma.

22 Wabiza indoda yakê, watí, Kâunditûmele omnye wakubafana, nenye yemazi zama-esile, kêndití-gxada ndiye kumfo wakwa-Tîxo, ndibuye ndibuye.

23 Watí yena, Yinina ukuba uhambê uye kuye namhla? Akutwase nyanga, asiyisabatâ. Watí yena, Kulungile.

24 Wayibopâ imazi ye-esile, watí kumfana lowo, Qûba uhambê, Mus'ukuzibambêzela ekukweleni ngenxa yam, ndingatshongo kuwe.

25 Wahambâ wada weza kumfo wakwa-Tîxo entabeni ye-Karmele. Waza umfo wakwa-Tîxo, akumbona esekude, watí ku-Gehazi umfana, Nankuya lam-Shunemekazi,

26 Kâugidime ngoku, umkâulele, utí kuye, Uhleli kakuhle-na? ihleli kakuhle-na indoda yakô? uhleli kakuhle-na umntwana? Watí, Kusahleliwe kakuhle.

27 Wakufika kumfo wakwa-Tîxo entabeni, wambambâ ngenyawo. Wasondela u-Gehazi ukuba amsunduze; watí umfo wakwa-Tîxo, Myeke, ngokuba umpêfumlo wakê urara; u-Yehova undifihlele, akandixelela.

28 Watí, Ndakâ ndacela unyana yinina enkosini yam? Ndandingatshongo yinina ukuti, Uz'ungandilahlekisi?

29 Watí ku-Gehazi, Binqa isinqe sako, upâtê umsimelelo wam esandleni sakô, uhambê. Ukuba utê waqubisana nomntu, uz'ngambulisi; ukuba utê umntu wakubulisa, uz'ungampênduli; uz'uwubeke umsimelelo wam pêzu kobuso benkwenkweleyo.

30 Watí unina wenkwenkwe, Ehleli-nje u-Yehova, uhleli-nje umpêfumlo wakô, andiyi kwahlukana nawe. Wesuka-ke wamlandela.

31 U-Gehazi wagqitêla pâmbîli kubo, wafika wawubeka umsimelelo pêzu kobuso benkwenkwe; akwabikô zwi, akwabikô kushukuma. Wabuya waya kumkâulela, wamxelela, watí, Inkwenkwe ayivukanga.

32 Wafika u-Elisha endlwini; nantso inkwenkwe ifile, ilele esinqênqêlweni sakê.

33 Wangena, waluvala ucango, bebobabini; watândaza ku-Yehova.

34 Wenyuka, walala pêzu komntwanalowo, wabeka umlomo wakê pêzu komlomo wakê, amehlo akê pêzu kwamehlo akê, izandla zake pêzu kwezandla zakê, wazolula pêzu kwakê; yafudumala inyama yomntwana.

35 Wabuya, wahambâ endlwini, wasinga ngapâ kwakanye, wasinga ngapâ kwakanye, wenyuka wazolula pêzu kwakê. Yatîmla inkwenkwe izihlandlo ezisixênxe, yawavula inkwenkwe amehlo ayo.

36 Wabiza u-Gehazi, watí, Biza lam-Shunemekazi. Wambiza. Weza-kc kuye, watí, Mtâbatê unyana wakô.

37 Weza, wazipôsa ezinyaweni zakê, waqubuda kuye, wamtâbatâ unyana wakê, wapûma.

38 Kekaloku u-Elisha wabuya, waya e-Giligali. Kwakukô indlala elizweni; enyana baba-profeti babehleli pâmbî kwakê. Watí kumfana lowo, Beka imbiza enkulu eziko, ubapêkele ukudla onyana baba-profeti.

39 Wapûma omnye, waya kufuna imifuno endle; wafumana utângazana, wakâ amatângazana kulo; yazala ingubo yakê. Wafika, wawaxabelela embizeni yokupêka; ngokuba bebengawazi.

40 Bawapâkela amadoda ukuba adle. Kwatí, xa akudlayo okokudla, akâla wona, atí, Mfo wakwa-Tîxo, kukô ukufa embizeni-le. Akabi nakô ukukudla.

Digitized by Google

41 Watí, Yizani nomgubo. Wawugalela embízeni, watí, Bapâkele abantu, badle; akwabikô nto imbí embízeni.

42 Kwavela indoda e-Bahali-shalisha, yamzisela umfo wakwa-Tíxo ukudla okutsha: izonka ze-fasi ezimashumi mabini, namakwéba enxóweni yakê. Watí, Nika abantu, badle.

43 Watí umlungiseleli wakê, Ndotínina ukukubeka oku pâmbí kwekûlu lamadoda? Watí, Nika abantu, badle; ngokuba utsho u-Yehova ukutí, Baya kudla, bade bakushiye.

44 Wabeka-ke pâmbí kwabo; badla, bakushiya ngokwelizwi lika-Yehova.

5 Kekaloku u-Nahaman, umtêtêlimkôsi wokumkani wakwa-Aram, waye yindoda enkulu enkosini yakê, ebekekileyo; ngokuba u-Yehova wayewanike ama-Aram usindiso ngaye. Londoda yabi ligoía, iliroti, kodwa ineqênqa.

2 Ama-Aram ayepûme ays kututa, atímbâ ezweni lakwa-Sirayeli intombâzana; yangumkônzi kumka-Nahaman.

3 Yatí kwinkosikazi yayo, Akwaba inkosi yam-le ibipâmbí kom-profeti okwa-Samari! ubeya kuyipílisa eqênqeni layo.

4 Waya wayixelela inkosi yakê, watí, Itê yatí, yatí ukutêtâ intombí evela ezweni lakwa-Sirayeli.

5 Watí ukumkani wama-Aram, Hamb'uye, ndomtûmela incwadi ukumkani wakwa-Sirayeli. Wahambâ, wapâtâ esandleni sakê ishumi le-talente ze-silvere, namawaka amatândatú e-shekele ze-golide, neshumi lengubo zokukûlulana.

6 Wayizisa incwadi kukumkani wakwa-Sirayeli, isitî, Kaloku-ke ekufikeni kwalencwadi kuwe, yabona, ndikutûmele u-Nahaman umkônzi wam, ukuba umpílise eqênqeni lakê.

7 Kwatí, akuyilesa ukumkani wakwa-Sirayeli incwadi, wazirazula ingubo zakê, esitî, Ndingu-Tíxo yinina, ukuba ndibulale, nokuba ndipílise; ngokuba lo utûmele kum, ukuba ndipílise indoda eqênqeni layo. Kângelani-ke, nibone, ukufuna kwakê isizatû sokuxabana nam.

8 Kwatí, akuva u-Elisha umfo wakwa-Tíxo, ukuba ukumkani wakwa-Sirayeli uzirazule ingubo zakê, watûmela kukumkani watí, Uzirazulele ntó-nina ingubo zakô? Makeze kum, azi ukuba kukô umprofeti kwa-Sirayeli.

9 Weza u-Nahaman namahashe akê nenqwelo zake, wamisa emnyangó endlwini ka-Elisha.

10 U-Elisha watûma umtûnywa kuye, esitî, Yiya uhlambê izihlandlo ezisixênxe e-Yordan, ibuyele kuwe inyama yakô, uhlambûluke.

11 Waba nobufalafume u-Nahaman, wemka, watí, Bonani, bendiba mna wopûma eze kum, eme anqule igama lika-Yehova u-Tíxo wakê, awangawangise isandla sakê pézu kwalendawo, alisuse iqênqa.

12 I-Abâna ne-Farpare, imilambo yase-Damasko ayilungile-na, ngapézu kwamanzi onke akwa-Sirayeli? Andingehlambí kuyo-na, ndihlambûluke? Wajika, wahambâ engumlilo.

13 Bafika abakônzi bakê, batêtâ naye, batí, Bawo, ukuba um-profeti ubetêtê into enkulu kuwe, ubungayi kuyenza yinina? kangakananina-ke xa atí kuwe, Hlambâ, uhlambûluke.

14 Wehla-ke, wantywila izihlandlo ezisixênxe e-Yordan ngokwelizwi lomfo wakwa-Tíxo; yabuya-ke inyama yakê yanjengenyama yomntwana, wahlambûluka.

15 Wabuyela kumfo wakwa-Tíxo, yena nesihlwele sakê sonke, weza, wema pâmbí kwakê, watí, Uyabona, ndiyaqonda ngoku ukuba akukô Tíxo emhlabeni wonke, kukwa-Sirayeli kodwa; kaloku kâwamkele intsikelelo kumkônzi wakô.

16 Watí yena, Ehleli-nje u-Yehova, endimi pâmbí kwakê, andiyi kuyamkela. Wamjoka, ukuba ayamkele; akavuma.

17 Watí u-Nahaman, Umkônzi wakô akângekê anikwe-na-ke umhlaba ongumtwalo wondlebende ababini? Ngokuba umkônzi wakô akasayi kuba senza dini linyukayo nambingelelô tíxweni bambí; uya kwenza ku-Yehova yedwa.

18 Kulento u-Yehova aze amxolele umkônzi wakô; yakungena inkosi yam endlwini ka-Rimon, ukuba iqubude kôna, yayame esandleni sam, nam ndaqubuda endlwini ka-Rimon: ekuqubudeni kwamke endlwini ka-Rimon, aze u-Yehova amxolele umkônzi wakô kulonto.

19 Watí kuye, Hambâ unoxolo. Wemka kuye, we-qelele umganyana.

20 Watí u-Gehazi umkônzi ka-Elisha umfo wakwa-Tíxo, Yabona, inkosi yam i-

Digitized by Google

myekile u-Nahaman um-Aram-lo, ayayamkela esandleni sakê into abeyizisile; ehleli-nje u-Yehova, inene, ndiya kumsukela, nditâbatê intwana kuye.

21 U-Gehazi wampûtûma u-Nahaman. U-Nahaman wambona emsukela, wehla enqweleni yakê, eya kumkâulela, watî, Kuhle nto-nina?

22 Watî, Akukô nto. Inkosi yam inditûmile, isitî, Nanku, kufike kum ngoku amadodana amabini akonyana baba-profeti, evela kwelentaba lakwa-Efrayim; kâuwanike i-talente ye-silvere, nengubo ezimbîni zokukûlulana.

23 Watî u-Nahaman, Makukôleke kuwe ukutâbatâ zibe mbîni i-talente. Wamjoka, wabopâ i-talente zambîni ze-silvere ezinxôweni ezimbîni, nengubo ezimbîni zokukûlulana, wanika abafana ababini; batwala pâmbî kwakê.

24 Utê akufika endulini, wazitâbatâ ezandleni zabo, wazibeka endlwini, wawandulula amadoda lawo emka.

25 Waya, wema pâmbî kwenkosi yakê. Watî u-Elisha kuye, Uvela pîna, Gehazi? Watî, Ubengayanga ndawo umkônzi wakô.

26 Watî kuye, Intliziyo yam ayihambânga nawe yinina okuya yajikayo indoda enqweleni yayo, yeza kukukâulela? Lixesha yinina eli lokwamkela i-silvere, nelokwamkela ingubo, neminquma nezi-diliya, nempahl' emfutshane nenkomo, nabakônzi namakôbokazana.

27 Iqênqa lika-Nahaman malinamatêle kuwe nakwimbêwu yakô ngonapâkade. Wapûma ebusweni bakê, eneqênqa emhlopê njengekêpû.

6 Batî onyana baba-profeti ku-Elisha, Kâubone lendawo, sihleli kuyo pâmbî kwakô, sixinene kuyo.

2 Makê siye e-Yordan, sizitâbatêle kôna elowo umqadi ube mnye, sizenzele kôna indawo yokuhlala. Watî, Yiyani.

3 Watî omnye, Makukôleke kuwe ukuhambâ nabakônzi bakô. Watî, Ndiya kuhambâ.

4 Wahambâ nabô. Batî bakufika e-Yordan, bagaula imitî.

5 Kwatî, omnye ewisa umqadi, intsimbî yeyela emanzini; wakâla, watî, Yô, nkosi yam! ibibolekiwe.

6 Watî umfo wakwa-Tîxo, Iwe pîna? Wambonisa londawo. Wanqumla ulutî, walupôsa kôna, yadada intsimbî.

7 Watî, Yitâbatê. Wasolula isandla sakê, wayitâbatâ.

8 Kekaloku ukumkani wama-Aram wayesilwa nama-Sirayeli, wacebisana nabakônzi bakê, esitî, Kuya kuba sekutî-ni, nasekutî-ni apô ndolalisa kôna.

9 Watûmela umfo wakwa-Tîxo kukumkani wakwa-Sirayeli, esitî, Zigcine ungegqitî kulandawo; ngokuba ama-Aram ehla kôna.

10 Ukumkani wama-Sirayeli watûmela kulondawo, abemxelele yona umfo wakwa-Tîxo, embonisa; wazikûsela kôna, akwabi kanye nakabini.

11 Yabâbâma intliziyo yokumkani wakwa-Aram yilonto; wabiza abakônzi bakê, watî kubo, Anindixeleli-na ukuba ngubanina kutî apâ, ongakukumkani wakwa-Sirayeli?

12 Watî omnye wakubakônzi bakê, Âsitî, nkosi yam kumkani; ke ngu-Elisha um-profeti okwa-Sirayeli, oxelela ukumkani wama-Sirayeli amazwi owatêtâ usengontsini yakô yokulala.

13 Watî, Yiyani, nikângele apô akôna; nditûmele, ndimtâbatê; waxelelwa kwatîwa, Nanko e-Dotan.

14 Watûmela kôna amahashe nenqwelo zokulwa nempi eninzi; baya ebusuku, bawungqinga umzi.

15 Wavuka kusasa umlungiseleli womfo wakwa-Tîxo, wesuka wapûma, nantso impi iwujikelezile umzi, inamahashe nenqwelo zokulwa. Watî umfana lowo kuye, Yô, Nkosi yam, siya kutî-nina?

16 Watî yena, Mus'ukoyika; ngokuba baninzi abangakutî ngapêzu kwabangakubo.

17 Watândaza u-Elisha, watî, Yehova, kâuwavule amehlo akê, abone. U-Yehova wawavula amehlo omfana-lowo, wabona, nantso, intaba izele ngamahashe nenqwelo zokulwa zomlilo, zimjikelezile u-Elisha.

18 Behla baya kuye, watândaza u-Elisha ku-Yehova, watî, Kâulubetê oluhlanga ngobumfama. Wababetâ-ke ngobumfama ngokwelizwi lika-Elisha.

19 Watî u-Elisha kubo, Asiyiyo indlelale, asinguwo umzi-lo; ndilandeleni, ndinise kulondoda niyifunayo; wabasa kwa-Samari.

20 Kwatî, bakufika kwa-Samari, watî u-Elisha, Yehova, wavule amehlo ababantu, babone. Wawavula u-Yehova ame-

Digitized by Google

hlo abo, babona. Nanku, bepâkatî komzi wakwa-Samari.

21 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Elisha, akubabona, Ndibaxabele-na, ndibaxabele-na, bawo?

22 Watî yena, Uz'ungabaxabeli. Obatîmbîleyo ngefele lakô nesapêta sakô ubungabaxabelayo-na? Beka isonka namanzi pâmbî kwabo, badle, basele, bahambê, baye enkosini yabo.

23 Wabenzela isidlo esikûlu; badla basela; wabandulula, bahambâ baya enkosini yabo. Akabi sapînda amatutu ama-Aram ukulingena izwe lama-Sirayeli.

24 Kwati emva koko, wayihlanganisa u-Ben-hadade ukumkani wakwa-Aram yonke impi yakê, wenyuka, wawungqinga umzi wakwa-Samari.

25 Kwabakô-ke indlala enkulu kwa-Samari. Yabona, bawungqinga-ke yada intloko ye-esile yatêngiswa ngamashumi osibôzo e-shekele ze-silvere, nesahlulo sesine sekabe[1] yotûvi bamazuba saba sihlanu se-silvere.

26 Kwatî, edlula ukumkani wakwa-Sirayeli pêzu kodonga, intokazi yamemeza kuye, isitî, Sindisa, nkosi yam, kumkani.

27 Watî yena, Engakusindisi-nje u-Yehova, ndokusindisa nganto-nina mna: ngesandâ, ngesixovulelo se-diliya, kusinina?

28 Watî ukumkani kuyo, Uhlelwe yintonina? Watî, lomfazi utê kum, Ndinike unyana wakô, sidle yena namhla, sidle unyana wam ngomso.

29 Sampêka-ke unyana wam, samdla; ndatî kuye ngomhla olandelayo, Etê unyana wakô, simdle, wamzimeza unyana wakê.

30 Kwatî, akuweva ukumkani amazwi entokazi-leyo, wazirazula ingubo zakê, wayedlula pêzu kodonga. Bakângela abantu, nanko enengubo eziwexayo ngapântsi *kwezinye* enyameni yakê.

31 Watî, Makenje-nje kum u-Tîxo, aqokele ukwenje-nje, ukuba intloko ka-Elisha unyana ka-Shafati iya kuma pêzu kwakê namhla.

32 U-Elisha-ke ubehleli endlwini yakê, namadoda amakûlu ebehleli naye. *Ukumkani* watûma indoda ebusweni bakê. Engekafiki umtûnywa-lowo kuye, watî yena kumadoda amakûlu, Niyabona-na, ukuba lonyana wombulali utûmele ukuba ndisuswe intloko? Niyabona, akufika umtûnywa-lowo, luvaleni ucango, nimtŷale ngocango, naso isingqî senyawo zenkosi yakê sisemva kwakê.

33 Esatêtâ nawo, nanko umtûnywa-lo esihla esiza kuye. Watî *ukumkani*, Yabona, obububi bupûma ku-Yehova, ndisamlindele nganina u-Yehova.

7 Watî u-Elisha, Liveni ilizwi lika-Yehova, Utsho u-Yehova ukutî, Elixa ngomso i-seha yomgubo onengiweyo yoba yi-shekele, ne-seha zombîni ze-fasi zoba yi-shekele esangweni lakwa-Samari.

2 Lampêndula umfo wakwa-Tîxo ifa-nankosi abesayama esandleni salo ukumkani, latî, Yabona, kôn'ukuba u-Yehovawenze i-festile ezulwini, ingabakô-na lonto? Watî yena, Kângela, uya kuyibona lonto ngamehlo akô, ungadli kuyo.

3 Kekaloku kwakukô amadoda amane aneqênqa ngapândle kwesango. Yatî enye kwenye, Sihlalele-nina apâ, side sife?

4 Ukuba sitê, Masingene kulomzi, kukô indlala kuwo umzi-lo, siya kufa kôna; ukuba sitê sahlala apâ, siya kufa. Kaloku-ke masihambê, sizilahlele emkôsini wama-Aram. Ukuba atê asisindisa: sodla ubomi; ukuba atê asibulala: hayi-ke siya kufa.

5 Asuka ngoncwalazi, aya eminqubeni yama-Aram, ada afika ekupêleni kweminquba yama-Aram; Yini le! kusenxiweni.

6 Kuba i-Nkosi yayiwenze umkôsi wama-Aram ukuba uve isandi senqwelo zokulwa, isandi samahashe, nesandi sempî enkulu. Batî omnye komnye, Niyabona, ukumkani wama-Sirayeli usiqeshele okumkani bama-Heti nokumkani bama-Yiputa, ukuba basiwele.

7 Besuka-ke, basaba ngoncwalazi, bazishiya in-tente zabo, namahashe abo, nama-esile abo eminqubeni, injengoko ibinjalo; basabisa ubomi babo.

8 Afika-ke lomadoda aneqênqa ekupêleni kweminquba, angena kwenye in-tente, adla, asela, atâbatâ apô i-silvere ne-golide nengubo, aya kuyiqûsheka; abuya, angena kwenye in-tente, atâbatâ nakôna, aya kuqûsheka.

9 Yatî enye kwenye, Asilungisi; lemini yimini yendaba ezilungileyo, sitê-cwakanje; ukuba silinde kwada kwasa, siyakuzeka ityala. Hambani kengoko, siye sixele endlwini yokumkani.

[1] I-kabe iyi-kwarte enye enesiqingatâ.

Digitized by Google

10 Afika, abiza umlindi wesango lomzi, amxelela, ati, Sifike eminqubeni yama-Aram, nanko kungekô mntu kôna nazwi lamntu, kupela ingamahashe abotshelelweyo, nama-esile abotshelelweyo, nen-tente zinjengoko bezinjalo.

11 Bamemeza abalindi-masango omzi; baxelela indlu yokumkani ngapâkati.

12 Wavuka ukumkani ebusuku, wati kubakônzi bakê, Makê ndinixelele into ayenzileyo kuti ama-Aram. Ayazi ukuba silambile; apûmile eminqubeni, aya kuzimela endle, esiti, Boti bakupûma kuwo umzi, sibabambê behleli, singene kuwo umzi.

13 Wapêndula omnye wakubakônzi bakê, wati, Makê kutâtyatwe abe mahlanu kumahashe aseleyo, la aseleyo pâkati *komzi*, (yabona, anjengengxokolo yonke yama-Sirayeli eseleyo kuwo; yabona, anjengengxokolo yonke yakwa-Sirayeli epêlileyo;) siwatûme sibone.

14 Kwatâtyatwa inqwelo ezimbini zokulwa ezinamahashe, wapûtûmisa ukumkani emva komkôsi wama-Aram, wati, Hambâni niye kubona.

15 Bawapûtûma, bada baya e-Yordan; nantso indlela yonke izele zingubo nempahla, abezilahlile ama-Aram ekubalekeni kwawo bupûtûpûtû. Babuya abatûnywa abo, bamxelela ukumkani.

16 Bapûma-ke abantu, bayipânga iminquba yama-Aram. Yati i-seha yomgubo onengiweyo yayeye-shekele, i-seha ezimbini ze-fasi zazeze-shekele ngokwelizwi lika-Yehova.

17 Ukumkani walipâtisa isango ifa-nankosi abesayama esandleni salo. Balinyatêla abantu esangweni, lafa njengoko wakutêtâyo umfo wakwa-Tixo, owatêtâ ekuhleni kokumkani, esiza kuye.

18 Kwenzeka-ke njengoko wakûtêtâyo umfo wakwa-Tixo kukumkani, esiti, I-seha ezimbini ze-fasi zoba zeze-shekele; iseha yomgubo onengiweyo yoba yeye-shekele elixa ngomso, esangweni lakwa-Samari.

19 Ukuze limpêndule ifa-nankosi-elo umfo wakwa-Tixo, liti, Yabona, kon'ukuba u-Yehova wenze i-festile ezulwini, ingabakô-na lonto? ukuze ati-ke yena, kângela uya kuyibona ngamehlo akô, ungadli kuyo.

20 Kwaba njalo-ke kulo; balinyatêla abantu esangweni, lafa.

8 Ke, u-Elisha wayetêtile kwintokazileyo, wayepîlise unyana wayo, esiti, Suka uhambê wena nendlu yakô, upâmbûkele apô ungapâmbûkela kôna; ngokuba u-Yehova ubize indlala; kananjalo iya kulifikela ilizwe iminyaka esixênxe.

2 Yayisukile-ke intokazi-leyo, yenza ngokwelizwi lomfo wakwa-Tixo, yahambâ yona nendlu yayo, yapâmbûkela ezweni lama-Filisti iminyaka esixênxe.

3 Kekaloku kwati ekupêleni kweminyaka esixênxe leyo, yabuya lontokazi ezweni lama-Filisti; yapûma yaya kuzibika ngendlu yayo nentsimi yayo kukumkani.

4 Kekaloku ukumkani ubetêtâ no-Gehazi, umkônzi womfo wakwa-Tixo, esiti, Kâundibalisele zonke izinto ezinkulu azenzileyo u-Elisha.

5 Kwati, esamxelela ukumkani ukupîlisa kwakê umntu owayeselefile: kwabonakala lantokazi, abepîlise unyana wayo, izibika ngendlu yayo nentsimi yayo kukumkani. Wati u-Gehazi, Nkosi yam, kumkani, yilontokazi-ke le, ngulonyana wayo wapîliswayo ngu-Elisha-ke lo.

6 Wayibuza ukumkani intokazi-leyo; yamxelela. Ukumkani wayinika umbusi otile, wati, Yibuyisele zonke izinto zayo nokutya konke kwentsimi yayo, kutâbatêla kwimini eyemka ngayo kwelilizwe, kuzise nakwelixesha langoku.

7 Weza u-Elisha e-Damasko. U-Benhadade ukumkani wakwa-Aram wayesifa. Kwatiwa kuye, Umfo wakwa-Tixo ufikile apâ.

8 Wati ukumkani-lowo ku-Hazayeli, Pâtâ umnikelo ngesandla sakô, uye kukâulela umfo wakwa-Tixo-lowo, ubuzise ku-Yehova ngaye, uti, Ndiya kupila-na kwesisifo?

9 U-Hazayeli waya kumkâulela, wapâtâ umnikelo ngesandla sakê, nento yonke elungileyo yase-Damasko, imitwalo yen-kamela ezimashumi omane. Waya, wema pâmbi kwakê, wati, Unyana wakô u-Benhadade ukumkani wakwa-Aram unditûmele kuwe, esiti, Ndiya kupila-na kwesisifo ndinaso?

10 Wati u-Elisha kuye, Hamb'uye kuti, Ungapila; koko u-Yehova undibonisile, ukuba inene uya kufa.

11 Wamkângela, wamti-ntsho wada wenentloni; walila umfo wakwa-Tixo.

12 Wati u-Hazayeli, Ililela-nina inkosi

Digitized by Google

yam? Watí, Kungokuba ndibazi ububi oya kubenza konyana baka-Sirayeli: uya kuzitshisa ngomlilo inqaba zabo, uwabulale amadodana abo ngerele, ubatyumze abantwana babo, ubaqangqulule abafazi babo abamitiyo.

13 Watí u-Hazayeli, Uyinto-nina umkôzi wakô eyinja-nje ukuba ade enze lonto ingako? Watí u-Elisha, U-Yehova undibonisile, ukuba uya kuba ngukumkani wakwa-Aram wena.

14 Wemka ku-Elisha, waya enkosini yakê. Yatí kuye, Utê-nina u-Elisha kuwe? Watí, Utê kum, Inene uya kupila.

15 Kwatí ngengomso watâbatâ incâwa, wayití-nku emanzini, wayaneka ebusweni bayo; yafa. U-Hazayeli waba ngukumkani esikûndleni sayo.

16 Kekaloku ngomnyaka wesihlanu ka-Yehoram, unyana ka-Ahabi ukumkani wama-Sirayeli, (u-Yehoshafati engukumkani wama-Yuda,) waba ngukumkani u-Yehoram, unyana ka-Yehoshafati ukumkani wama-Yuda.

17 Ebe minyaka imashumi matâtû anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê, waba neminyaka esibôzo engukumkani e-Yerusalem.

18 Wahambâ ngendlela yokumkani bakwa-Sirayeli, njengoko yenza ngako indlu ka-Ahabi; ngokuba intombí ka-Ahabi yayingumkakê; wenza okubi emehlweni ka-Yehova.

19 Noko u-Yehova ebengavumi ukulonakalisa elakwa-Yuda ngenxa ka-Davide umkônzi wakê; njengoko watêtâyo kuye, *watí* womnika isibane ngonyana bakê yonke imihla.

20 Ngemihla yakê areqa ama-Edom, apûma pântsi kwesandla sama-Yuda, azenzela ukumkani.

21 Wagqitâ u-Yehoram, waya e-Tsahira, enenqwelo zonke zokulwa. Wavuka ebusuku, wawaxabela ama-Edom awayemfaule ngenxa zonke, nabatêtêli benqwelo zokulwa; basaba abantu, baya ezin-tenteni zabo.

22 Areqa-ke ama-Edom, apûma pântsi kwesandla sama-Yuda unanamhla. Yaza yareqa i-Libena kwa ngeloxesha.

23 Ezinye izinto zika-Yoram, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na enewadini yemicimbí yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

24 U-Yoram walala koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davide, u-Ahaziya unyana wake waba ngukumkani esikûndleni sakê.

25 Ngomnyaka weshumi elinesibini ka-Yoram unyana ka-Ahabi, ukumkani wama-Sirayeli, waba ngukumkani u-Ahaziya unyana ka-Yehoram, ukumkani wama-Yuda.

26 U-Ahaziya ebe minyaka imashumi mabini anamibini ezelwe ukuba ngukumkani. Waba mnyaka-mnye engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina belingu Ataliya intombí ka-Omri, ukumkani wama-Sirayeli.

27 Wahambâ ngendlela yendlu ka-Ahabi, wenza okubi emehlweni ka-Yehova ngokwendlu ka-Ahabi; ngokuba ebe ngumyeni wakwa-Ahabi.

28 Wahambâ no-Yoram unyana ka-Ahabi, waya kulwa no-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram e-Ramoti yase-Giliyadi. Ama-Aram amnxwêlefa u-Yoram.

29 Wabuya u-Yoram ukumkani, waya kunyangwa e-Yizereli lomanxeba, wawafumana kuma-Aram e-Rama, ekulweni kwakê no-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram. Wehla u-Ahaziya, unyana ka-Yehoram ukumkani wama-Yuda, esiya kumbona u-Yoram unyana ka-Ahabi e-Yizereli, ngokuba ebenxwêlefiwe.

9 Ke u-Elisha um-profeti wabiza omnye konyana baba-profeti, watí kuye, Binqa isinqe sakô, upâtê eligutyana le-oli ngesandla sakô, uye e-Ramoti yase-Giliyadi,

2 Ungene kôna, ukângele kona u-Yehu unyana ka-Yehoshafati, unyana ka-Nimshi, uye utsho esuke pâkatí kwabazalwana bakê, umse engontsini engapâkatí;

3 Utâbatê igutyana le-oli, umgalele entloko, utí, Utsho u-Yehova ukutí, Ndikutâmbísile ukuba ube ngukumkani kuma-Sirayeli; uluvule-ke ucango, usabe, ungahlali.

4 Waya umfana lowo, umkônzi-lowo wom-profeti e-Ramoti yase-Giliyadi,

5 Wafika-ke, naba abatêtêli bempi behleli pântsi. Watí, Ndinelizwi kuwe, mtêtêli-mkôsi. Watí u-Yehu, Kuwupi-nu pâkatí kwetû aba sonke? Watí, Kuwe, mteteli-mkôsi.

6 Wesuka, wangena endlwini, wamga-

Digitized by Google

lela i-oli entloko, watí kuye, Utsho u-Yehova, u-Tíxo ka-Sirayeli, ukutí, Ndikutâmbísile ukuba ube ngukumkani kubantu baka-Yehova, kuma-Sirayeli,

7 Uyixabele indlu ka-Ahabi inkosi yakô, ndiwapíndezele amagazi abakônzi bam aba-profeti, namagazi abakônzi bonke baka-Yehova esandleni sika-Izebele;

8 Idake yonke indlu ka-Ahabi, ndinqumle ku-Ahabi yonke into eyindoda, novalelweyo novulelweyo kwa-Sirayeli,

9 Ndiyenze indlu ka-Ahabi ibe njengendlu ka-Yarobeham unyana ka-Nebati, nanjengendlu ka-Bahesha unyana ka-Ahiya,

10 Zimdle izinja u-Izebele esiqwengeni esise-Yizereli, kungabikô umncwabayo. Waluvula ucango, wasaba.

11 Epûmile u-Yehu, waya kubakônzi benkosi yakê. Kwatíwa kuye, Luxolo-na? Ebezele-nina lombûdi? Watí kubo, Lendoda yaziwa nini kwa nokutêtâtêtâ kwayo.

12 Batí, Xoka; kâusixelele. Watí, Utê watí ukutêtâ kum, Utsho u-Yehova ukutí, Ndikutâmbísile ukuba ube ngukumkani kuma-Sirayeli.

13 Bakâuleza, watâbatâ elowo ingubo yakê, wayibeka pântsi kwakê ezinyukweni kanye, bavutêla izigodlo, batí, U-Yehu ngukumkani.

14 U-Yehu unyana ka-Yehoshafati, unyana ka-Nimshi, wamceba-ke u-Yoram. Kekaloku u-Yoram ubeyilinda i-Ramoti yase-Giliyadi, yena nama-Sirayeli onke ngenxa ka-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram;

15 Ke ukumkani, u-Yoram ubebuyele e-Yizerele ukuba anyangwe amanxeba awawafumana kuma-Aram, esilwa no-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram. Watí u-Yehu, Ukuba kukutânda kwenu, makungapûmi kusinde mntu kulomzi, aye kuxela e-Yizereli.

16 Wakwela u-Yehu enqweleni, waya e-Yizereli; ngokuba u-Yoram ebelele kôna. Ke u-Ahaziya ukumkani wama-Yuda wehla, waya kumbona u-Yoram.

17 Kekaloku umlindi obemi pêzu kwenqaba e-Yizereli, wabona impi ka-Yehu ekuzeni kwakê, watí, Ndibona impi. Watí u-Yoram, Tâbatâ okwele ihashe umtûme aye kubakâulela, atí, Luxolo-na?

18 Waya kumkâulela lomkweli-hashe, watí, Utsho ukumkani ukutí, Luxolo-na? Watí u-Yehu, Yinto-nina enawe noxolo? jikela emva kwam. Waxela umlindi, watí, Umtûnywa uye wafika kubo, ke akabuyi.

19 Watûma owesibini umkweli-hashe, waya kubo, watí, Utsho ukumkani ukutí, Luxolo-na? Watí u-Yehu, Yinto-nina enawe noxolo? jikela emva kwam.

20 Waxela umlindi, watí, Uye wafika kubo, ke akabuyi; ke ukuqûba kunjengokuqûba kuka-Yehu unyana ka-Nimshi; ngokuba uqûba ngobudlongodlongo.

21 Watí u-Yoram, Bopâ. Yabotshwa inqwelo yakê yokulwa. Wapûma u-Yoram ukumkani wama-Sirayeli, no-Ahaziya ukumkani wama-Yuda, elowo esenqweleni yakê yokulwa. Bapûma baya kumkâulela u-Yehu, bamfumana esiqwengeni somhlaba sika-Naboti wase-Yizereli.

22 Kwatí u-Yoram, akumbona u-Yehu, watí, Luxolo-na, Yehu? Watí yena, Luxolo lwanina, xa ukuhenyuza kuka-Izebele unyoko nokukâfula kwakê okuninzi kusahleliyo-nje?

23 U-Yoram wawajika *amahashe* ngezandla zakê, wasaba. Watí ku-Ahaziya, Licebo, Ahaziya.

24 U-Yehu waqubula isapêtâ sakê, watsho ku-Yoram pâkatí kwamagxa, utôlo lwapûmela epâpíni lakê, we-butûtû enqweleni yakê.

25 Watí *u-Yehu* ku-Bidekare ifa-nankosi lakê, Mtwale, umpôse esiqwengeni somhlaba ka-Naboti wakwa-Yizereli; ngokuba kûmbûla, oko sasikwele tína sobabini, mna nawe, emva ko-Ahabi uyise, u-Yehova wahlaba esosihlabo ngaye.

26 Inene amagazi ka-Naboti, namagazi onyana bakê ndiwabonile izolo, utsho u-Yehova; ndiya kukupíndezelela kwesisiqwenga somhlaba, utsho u-Yehova. Kengoko mtwale, umpôse esiqwengeni-eso ngokwelizwi lika-Yehova.

27 U-Ahaziya ukumkani wakwa-Yuda, ekubonile oko, wasaba ngendlela yendlu yasemyezweni. U-Yehu wamsukela, watí, Naye mgwazeleni enqwelweni yokulwa, (bekuseqíneni le-Gure elingase-Iblam). Wasaba-ke waya e-Megido, wafela kôna.

28 Abakônzi bakê bamsa ngenqwelo e-Yerusalem, bamncwabela encwabeni lakê koyise, emzini ka-Davide.

29 Ngonyaka weshumi elinamnye ka-

Digitized by Google

Yoram unyana ka-Ahabi, u-Ahaziya waba ngukumkani wakwa-Yuda.

30 Utê u-Yehu akufika e-Yizereli; weva u-Izebele, waziqaba amehlo, wazihombîsa intloko, wavela nge-festile.
31 Wangena u-Yehu esangweni, watî yena, Luxolo-na, Zimri, wena mbulali wenkosi yako?
32 Wawapâkamisa amehlo akê, wabêka e-festileni, watî, Ngubanina ongakum? ngubanina? Kwalunguza ababusi ababini, abatâtû.
33 Watî, Mkâhleleni pântsi. Amkâhlela pântsi; igazi lakê lacâpazela udonga namahashe, wamnyatêlisa ngawo.
34 Wangena, wadla wasela; watî, Kânimvelele lamqalekiswakazi, nimncwabe; ngokuba yintombî yokumkani.
35 Baya kumncwaba; abawufumana umzimbâ wakê, yaba lukakayi, nenyawo, nentende zezandla kupêla.
36 Babuya-ke, bamxelela. Watî, Lilizwi lika-Yehova elo, abelitêtê ngomkônzi wakê u-Eliya wase-Tishebi, lisitî, Izinja ziya kuyidla inyama ka-Izebele esiqwengeni somhlaba sase-Yizereli.
37 Sitî isidûmbû sika-Izebele sibe njengomgquba pêzu komhlaba esiqwengeni sase-Yizereli, ukuze kungatîwa, Lo ngu-Izebele.

10 Waye u-Ahabi enonyana abamashumi asixênxe kwa-Samari. Wabâla incwadi u-Yehu, watûmela kwa-Samari kubatêtêli base-Yizereli, kumadoda amakûlu, nakubondli *bentsapo* ka-Ahabi, watî,
2 Ngoku-ke, xa ifikileyo kuni lencwadi, bekuni-nje onyana benkosi yenu, zikuni-nje inqwelo zokulwa namahashe, nomzi onqatyisiweyo nezirweqe;
3 Kângelani oyena ufanelekileyo, otêtye konyana benkosi yenu, nimbeke etroneni yoyise, niyilwele indlu yenkosi yenu.
4 Boyika kakûlu kunene, batî, Yabonani, okumkani bebabini abemanga pâmbî kwakê, sotî-nina ukumisa tîna?
5 Batûma opêtê indlu, nopêtê umzi, namadoda amakûlu, nabondli, ku-Yehu, batî, Singabakônzi bakô; konke oya kukutêtâ kutî, sokwenza; asiyi kumisa mntu abe ngukumkani; yenza ngokubona kwakô.
6 Wababâlela eyesibini incwadi, esitî, Ukuba ningakum, nipûlapûla izwi lam, tâbatâni intloko zamadoda angonyana benkosi yenu, nizizise kum e-Yizereli elixa ngomso. Ke, onyana bokumkani, bengamashumi asixênxe amadoda, babe kwizikûlu zomzi ezibe zibakûlisa.
7 Kwatî, yakufika kubo lencwadi, babatâbatâ onyana bokumkani, bawasika amadoda angamashumi asixênxe, bazibeka intloko zawo ezingobozini, bazitûmela kuye e Yizereli.
8 Wafika umtûnywa, wamxelela, watî, Bazizisile intloko zonyana bokumkani, watî, Zibekeni zibe zimfumbâ ezimbîni ngapândle kwesango kude kuse.
9 Kwatî kusasa wapûma, wema, watî kubantu bonke, Ningamalungisa; yabonani, mna ndaceba inkosi yam, ndayibulala; ngubanina-ke lo uxabele bonke aba?
10 Yazini-ke ngoku, ukuba akuyi kuwa pântsi nento elilizwi lika-Yehova, awalitêtâyo u-Yehova ngendlu ka-Ahabi. U-Yehova ukwenzile-ke oko wakutêtâyo ngomkônzi wakê u-Eliya.
11 U-Yehu wababulala bonke abaseleyo bendlu ka-Ahabi e-Yizereli, nezikûlu zakê zonke, nabazana naye, nabenzelelele bakê, kwada akwasala kuye namnye osindileyo.
12 Wesuka, wemka waya kwa-Samari; kwatî, u-Yehu-lowo esendlwini yokucêba yabalusi, endleleni,
13 Wafumanana nabazalwana baka-Ahaziya ukumkani wakwa-Yuda, watî, Ningobanina nina? Batî, Singabazalwana baka-Ahaziya; siyehla siya kubulisa onyana bokumkani nonyana benkosikazi.
14 Watî, Babambêni behleli. Bababambâ behleli, babasika ngasemhadini wendlu yokucêba; bengamadoda angamashumi omane anamabini; akasalisa mntu kubo.

15 Utê akunduluka kôna, wafumanana no-Yehonadabi unyana ka-Rekabi emkâulela; wambulisa, watî kuye. Itê-tye-na intliziyo yakô, njengokuba injalo intliziyo yam kwintliziyo yakô? Watî u-Yehonadabi, Injalo. Ukuba injalo-ke, etê isandla sakô. Wamnika isandla sakê. Wamnyusa wamkwelisa enqweleni.
16 Watî, Hambâ nam, ubone ikwele

Digitized by Google

lam ngenxa ka-Yehova. Bamkwelisa-ke naye enqweleni yakê.

17 Weza kwa-Samari, wababulala bonke abaseleyo ku-Ahabi kwa-Samari, wada wamtshabalalisa ngokwelizwi lika-Yehova, abelitêtile ku-Eliya.

18 U-Yehu wabahlanganisa bonke abantu, watî kubo, U-Ahabi wamkônza kancinane u-Bahali, u-Yehu yena uya kumkônza kakûlu.

19 Kengoko babizeleni kum aba-profeti baka-Bahali bonke, abakônzi bakê bonke, nabenzeleleli bakê bonke. Makungabikô mntu ungekôyo; ngokuba ndinombingelelo omkûlu ku-Bahali. Bonke abatê ababikô abayi kudla bomi. U-Yehu wayesenza lento ebalalanisa, ukuze abatshabalalise abakônzi baka-Bahali.

20 Watî u-Yehu, Mmemeleni ingqungqutêla engcwele u-Bahali. Bayimemake.

21 U-Yehu watûmela kuma-Sirayeli onke; beza bonke abakônzi baka-Bahali, kwada akwasala namnye ungezanga. Bangena endlwini ka-Bahali, bayizalisa indlu ka-Bahali, kwatâbatêla kwelinye icala kwesa kwelinye.

22 Watî kumpâtî wendlu yengubo, Bafoleleni bonke abakônzi baka-Bahali ingubo; wabafolela-ke ingubo.

23 Wangena u-Yehu no-Yehonadabi unyana ka-Rekabi endlwini ka-Bahali, watî kubakônzi baka-Bahali, Funisisani nikângele, hleze kubekô kuni apâ omnye wakubakônzi baka-Yehova; mayibe ngabakônzi baka-Bahali bodwa.

24 Bangena-ke baya kwenza imibingelelo namadini anyukayo. U-Yehu wayezimisele ngapândle amashumi osibôzo amadoda, watî, Indoda etê yasindisa umntu kulamadoda, ndiwazisileyo ezandleni zenu, umpêfumlo wayo woba sesikûndleni sompêfumlo walowo *usindileyo*.

25 Kwatî, xa abegqibile ukulenza idini elinyukayo, watî u-Yehu kwizigidimi nakumafa-nankosi, Ngenani nibabulale; makungapûmi mntu. Babaxabela-ke ngohlangotî lwerele; zabapôsa pândle izigidimi namafa-nankosi, zaya enqabeni yendlu ka-Bahali.

26 Zazikûpa intsika zendlu ka-Bahali, zazitshisa,

27 Zazidiliza iziniso zamatye zika-Bahali, zayidiliza indlu ka-Bahali, zayenza indawo ekuyiwa kuyo endle unanamhla.

28 U-Yehu wamtshabalalisa-ke u-Bahali kwa-Sirayeli;

29 Kodwa izono zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, awawônisa ama-Sirayeli ngazo, u-Yehu akatyekanga ekuzilandeleni *ezingamatôle* e-golide abese-Bcteli nabekwa-Dan.

30 Watî u-Yehova ku-Yehu, Ngenx' onokuba ulungisile ukwenza okutê-tye emehlweni am, wenza kwindlu ka-Ahabi njengako konke okusentliziyweni yam: onyana bakô *bosizukulwana* sesine baya kukuhlalela e-troneni yakwa-Sirayeli.

31 Ke u-Yehu akakugcinanga ukuhambâ ngomyalelo ka-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli ngentliziyo yakê yonke; akatyekanga ezonweni zika-Yarobeham, awawônisa ngazo ama-Sirayeli.

32 Ngalomihla waqala u-Yehova ukuncipîsa kuma-Sirayeli; wawaxabela u-Hazayeli emideni yonke yakwa-Sirayeli,

33 Watâbatêla e-Yordan empumalanga, lonke ilizwe lase-Giliyadi, elama-Gadi, nelama-Ruben, nelama-Manase; watâbatêla e-Arohere, engasemlanjaneni oyi-Arnon, elase-Giliyadi nelase-Bashan.

34 Ezinye izinto zika-Yehu, nako konke awakwenzayo nobuñoti bakê bonke, azibâlwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

35 U-Yehu walala koyise, wancwatyelwa kwa-Samari. U-Yehowahazi unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

36 Imihla, u-Yehu awaba ngukumkani kuma-Sirayeli kwa-Samari, yaba yiminyaka emashumi mabini anesibôzo.

11 Kekaloku u-Ataliya unina ka-Ahaziya utê akubona, ukuba unyana wakê ufile; wesuka wayitshabalalisa yonke imbewu yokumkani.

2 Ke, u-Yosheba intombi yokumkani u-Yehoram, udadê bo-Ahaziya, wamtâbatâ u-Yowashe unyana ka-Ahaziya, wambâ pâkatî konyana bakakumkani ababulawayo, wamsa yena nomondli wakê egumbini lokulala, bamfihla ku-Ataliya, ukuba angabulawa.

3 Wayo naye endlwini ka-Yehova, ezinyeziwe iminyaka emitândatû. Waye u-Ataliya engukumkanikazi kulo ilizwe.

4 Ngomnyaka wesixênxe watûmela u-

Digitized by Google

Yehoyada, watâbatâ abatêtêli-makûlu basebancinitîni nabasezigidimini, wabazisa kuye endlwini ka-Yehova. Wabamisela umnqopiso, wabafungisa endlwini ka-Yehova, wababonisa unyana kakumkani.

5 Wabawisela umtêtô, watî, Yiyo le into eniya kuyenza: Isahlulo sesitâtû, kuni bangenayo nge-sabatâ, sogcina isigxina sendlu kakumkani;

6 Esinye isahlulo sesitâtû sibe sesangweni lase-Sure, esinye isahlulo sesitâtû sibe sesangweni, emva kwezigidimi; nisigcine isigxina sendlu, nitîntêle.

7 Ke izahlulo ezibini pâkatî kwenu nonke, nipûmayo nge-sabatâ, zosigcina isigxina sendlu ka-Yehova kukumkani;

8 Nimpâhle ukumkani ngenxa zonke, elowo enentonga zakê esandleni sakê; atî ongene ezintlwini abulawe, nibe nokumkani ekupûmeni kwakê nasekubuyeni kwakê.

9 Benza-ke abatêtêli-makûlu ngoko konke u-Yehoyada umenzeleleli abewise umtêtô ngakô. Batâbatâ elowo amadoda akê, angenayo nge-sabatâ, kunye napûmayo ngesabatâ, beza ku-Yehoyada umenzeleleli.

10 Umenzeleleli wabanika abatêtêli-makûlu intshuntshe namakâka abe ngakakumkani u-Davide, abe sendlwini ka-Yehova.

11 Zema izigidimi, saeso sanentonga zaso esandleni saso, zatâbatêla kwipiko lasekunene lendlu, zesa kwipiko lasekôhlo lendlu, ngasesibingelelweni, ngasendlwini, ngenxa zonke kukumkani.

12 Wamkûpêla pândlé unyana wokumkani, wamfaka isitsaba wamnika nesinqiniso; bamenza ukumkani, bamtâmbîsa, babetâ izandla, batî, Makadle ubomi ukumkani.

13 Utê u-Ataliya, akusiva isandi sezigidimi nesabantu waya kubo abantu endlwini ka-Yehova;

14 Wakângela, nanko ukumkani emi endaweni epâkamileyo ngokwesiko, nabatêtêli nabavutêli ngamaxilongo bengakukumkani; abantu bonke belizwe bevuya bevutela amaxilongo. Wazirazula ingubo zakê u-Ataliya, wakâla *wati*, Licebo! licebo!

15 U-Yehoyada umenzeleleli wabawisela umtêtô abatêtêli-makûlu, abaveleli bempi leyo, watî kubo, Mkûpeleni pândle pâkatî kwezintlu; omlandeleyo makabulawe ngerele; ngokuba ubesitî umenzeleleli, Makangabulalelwa endlwini ka-Yehova.

16 Bamkwelela ngenxa zombini. Waya endlwini yokumkani ngendlela yokungena kwamahashe, wabulalelwa kôna.

17 Wawenza u-Yehoyada umnqopiso pâkatî ko-Yehova nokumkani nabantu, ukuba babe ngabantu baka-Yehova; napâkatî kokumkani nabantu.

18 Baya bonke abantu belizwe endlwini ka-Bahali, bayidiliza; izibingelelo zakê nemifanekiso yakê bayiqêkeza kwapêla. Bambulala u-Matan umenzeleleli ka-Bahali pâmbî kwesibingelelo. Umenzeleleli wamisa abaveleli endlwini ka-Yehova.

19 Wabatâbatâ abatêtêli-makûlu, nabancinitî nezigidimi, nabantu bonke belizwe, behla nokumkani endlwini ka-Yehova, baya endlwini kakumkani ngendlela yesango lezigidimi. Wahlala-ke e-troneni yokumkani.

20 Bavuya bonke abantu belizwe; wazola umzi; kuba babembulele u-Ataliya ngerele endlwini kakumkani.

21 U-Yowashe ube minyaka isixênxe ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê.

12 Waba ngukumkani u-Yowashe ngomnyaka wesixênxe ka-Yehu; waba neminyaka emashumi mane engukumkani e-Yerusalem. Ke igama likanina belingu-Tsibeya wase-Ber-sheba.

2 U-Yowashe wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova yonke imihla yakê, abemyala ngayo u-Yehoyada umenzeleleli!

3 Kodwa izigânga azisuswanga; abantu bebesabingelela bequmisela ezigângeni.

4 Watî u-Yowashe kubenzeleleli, Yonke imali yezinto ezingcwalisiweyo, eziswayo endlwini ka-Yehova, imali yogqitêla kwababaliweyo, nemali yompêfumlo walowo nalowo ngokulinganiselwa kwakê, nemali yonke ekutê-qatâ entliziyweni yomntu, ukuba ayizise endlwini ka-Yehova,

5 Mabayitâbatêle kubo abenzeleleli, elowo ayitâbatê kwabazana naye, batywine intânda zendlu, apô sukuba kufunyenwe utânda kôna.

6 Kwatî ngomnyaka wamashumi omabini anesitâtû wokumkani u-Yowashe, a-

Digitized by Google

benzeleleli bengekazitywini intānda zendlu;

7 Ukumkani u-Yowashe wambiza u-Yehoyada umenzeleleli nabanye abenzeleleli, watĩ kubo, Yinina ukuba ningazitywini intānda zendlu? Kengoko maningabi satâbatâ mali kwabazana nani; yinikeleleni *ukutywina* intānda zendlu.

8 Bakuvuma abenzeleleli ukungabi satâbatâ mali ebantwini, nokutĩ zingatywinwa ngabo intānda zendlu.

9 U-Yehoyada umenzeleleli watâbatâ umkômbê, wapêhla intunja esicikweni sawo, wawubeka ecaleni lesibingelelo ngasekunene ekungeneni endlwini ka-Yehova, ukuze abenzeleleli abagcina umbundu womnyango bayibeke kona yonke imali eziswayo endlwini ka-Yehova.

10 Bekusitĩ, bakubona ukuba ininzi imali emkûmbini, enyuke umbâli kakumkani nomenzeleleli omkûlu, bayibopê ngenxôwa, bayibale imali efunyenweyo endlwini ka-Yehova.

11 Bayinikela imali ilinganisiwe ezandleni zabawenzayo umsebenzi, zabayikângelayo indlu ka-Yehova; bayikûpela-ke abo kwincĩbi zemitĩ nakubakĩ abayisebenzayo indlu ka-Yehova,

12 Nakubakĩ bendonga, nakubaxôli bamatye, ukuba batênge imitĩ namatye axôliweyo ukuba kutywinwe intānda zendlu ka-Yehova, beyikûpela into yonke ekûtshelwe ukuhlaziya indlu ka-Yehova.

13 Ke indlu ka-Yehova ibingenzelwanga zitya za-silvere, nazitshetshe, nazitya zokutshiza, namaxilongo, nanye impahla yegolide, nanye impahla ye-silvere, ngemali leyo ibiziswe endlwini ka-Yehova;

14 Basuka bayinika abenzi bomsebenzi, ukuba bahlaziye ngayo indlu ka-Yehova.

15 Babengabalelani namadoda, ababeyinikela ezandleni zawo imali-leyo, ukuba ahlaule abenzi bomsebenzi; ngokuba abesebenza enyanisekile.

16 Kę imali yedini letyala, nemali yelesono ibingaziswa endlwini ka-Yehova; yaba yeyabenzeleleli.

17 Ngeloxesha u-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram wenyuka, waya kulwa ne-Gati, wayitĩmbâ. U-Hazayeli wabubêkisa ubuso bakê ukuba enyuke aye e-Yerusalem.

18 Wazitâbatâ u-Yowashe ukumkani wakwa-Yuda zonke izinto ezingcwele, ababezingcwalisile o-Yehoshafati no-Yehoram no-Ahaziya, oyise, okumkani bakwa-Yuda, nezakê izinto ezingcwele, ne-golide yonke, eyafumanekayo ebuncwaneni bendlu ka-Yehova nobendlu yokumkani, wazitûmela ku-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram; wenyuka-ye, wemka e-Yerusalem.

19 Ezinye izinto zika-Yowashe, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbĩ yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

20 Basuka abakônzi bakê, baceba icebo, bambulala u-Yowashe endlwini yase-Milo, ekuyeni e-Sila.

21 U-Yozakare unyana ka-Shimehati, no-Yozabadi unyana ka-Shomere, abakônzĩ bakê, bamxabela-ke; wafa. Bamncwabela koyise emzini ka-Davide. U-Amatsiya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

13 Ngonyaka wamashumi omabini anamitâtû ka-Yowashe unyana ka-Ahaziya, ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Yehowahazi unyana ka-Yehu kuma-Sirayeli kwa-Samari, iminyaka elishumi elinesixênxe.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, walandela izono zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisa ngazo ama-Sirayeli; akatyeka kuzo.

3 Wavutâ umsindo ka-Yehova kuma-Sirayeli, wawanikela esandleni sika-Hazayeli ukumkani wakwa-Aram, nasesandleni sika-Ben-hadadi unyana ka-Hazayeli, yonke imihla.

4 U-Yehowahazi wambongoza u-Yehova; u-Yehova wamva-ke; ngokuba wakubona ukuxinwa kwama-Sirayeli; ngokuba ukumkani wama-Aram wayewaxinile.

5 (U-Yehova wawanika ama-Sirayeli umsindisi, apûma pântsi kwesandla sama-Aram; bahlala onyana baka-Sirayeli ezintenteni zabo njengokwangapâmbĩli;

6 Nakuba babengatyekanga ezonweni zendlu ka-Yarobeham, owawônisa ngazo ama-Sirayeli, asuka ahambâ kuzo; no-Ashera wayesemi kwa-Samari.)

7 Ngokuba akamshiyelanga bantu u-Yehowahazi yaba ngamashumi amahlanu abamahashe, neshumi lenqwelo zokulwa, neshumi lamawaka omqikela; ngokuba wabatshabalalisa ukumkani wakwa-Aram, wabenza banjengotûli lokunyatêlwa.

8 Ezinye izinto zika-Yehowahazi, nako konke awakwenzayo, nobuhoti bakê, azibâ-

Digitized by Google

lwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

9 Walala u-Yehowahazi koyise, bamncwabela kwa-Samari. U-Yehohashe unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

10 Ngonyaka wamashumi omatâtû anesixênxe ka-Yowashe ukumkani wakwa-Yuda, u-Yehohashe unyana ka-Yehowahazi waba ngukumkani wama-Sirayeli kwa-Samari, iminyaka elishumi elinamitândatû.

11 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akatyeka kwizono zonke zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisa ngazo ama-Sirayeli; wasuka wahambâ kuzo.

12 Ezinye izinto sika-Yehohashe, nako konke awakwenzayo, noburoti bakê awalwa ngabo no-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, azibâlwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

13 Walala u-Yehohashe koyise; u-Yarobeham wahlala e-troneni yakê. U-Yehohashe wancwatyelwa kwa-Samari kokumkani bakwa-Sirayeli.

14 Kekaloku u-Elisha wayesifa isisifo awayeza kufa siso. Wehla u-Yehohashe ukumkani wakwa-Sirayeli, waya kuye, walila pâmbi kwakê, watî, Bawo, bawo, nqwelo yokulwa yakwa-Sirayeli nabamahashe bakê!

15 U-Elisha watî kuye, Tâbatâ isapêta nentolo. Wasitâbatâ-ke isapêta nentolo.

16 Watî kukumkani wakwa-Sirayeli, Sityede isapêta ngesandla sakô; wasityeda ngesandla sakê. U-Elisha wabeka ezakê izandla ezandleni zokumkani,

17 Watî, Vula i-festile ngasempumalanga; wayivula. Watî u-Elisha, Tola; watola. Watî, Huntshu, utolo losindiso luka-Yehova! utolo losindiso olucâse ama-Aram! Uya kutsho ngalo kuma-Aram e-Afeki ade apêle.

18 Watî, Zitâbatê intolo; wazitâbatâ. Watî kukumkani wakwa-Sirayeli, Tola emhlabeni; watsho izihlandlo zazitâtû, wayeka.

19 Wesuka umfo wakwa-Tîxo, wanobufalafume ngakuye, watî, Unge utsho izihlandlo zazihlanu, nokuba zitândatû; ukuze ube uya kutsho kuma-Aram ade apêle; usel'uya kutsho kuma-Aram izihlandlo zibe zitâtû kupêla.

20 Wafa u-Elisha, bamncwaba. Ke amatutu ama-Mowabi ebedla ngokulingenela ilizwe, ukutwasa konyaka,

21 Kwatî, bencwaba indoda, babona ngamatutu evela, bayipôsa indoda-leyo encwabeni lika-Elisha; itê indoda-leyo yakufika ematânjeni ka-Elisha, yasuka yapîla, yema ngenyawo.

22 Kekaloku u-Hazayeli ukumkani wama-Aram wayewaxinile ama-Sirayeli yonke imihla ka-Yehowahazi.

23 U-Yehova wawababala, wasikwa yimfesane ngawo, wababêka ngenxa yomnqopîso wakê no-Abraham no-Isake no-Yakobi; akavuma ukuwônakalisa nokuwalahla ebusweni bakê unangoku.

24 Wafa u-Hazayeli ukumkani wama-Aram; u-Ben-hadade unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

25 Wabuya u-Yehohashe unyana ka-Yehowahazi, wayitîmbâ imizi ku-Benhadade unyana ka-Hazayeli, awayeyitimbê yena ku-Yehowahazi uyise ngemfazwe. U-Yehohashe wamgxotâ izihlandlo zazitatu, wayibuyisa imizi yakwa-Sirayeli.

14 Ngonyaka wesibini ka-Yehohashe unyana ka-Yehowahazi, ukumkani wakwa-Sirayeli, waba ngukumkani u-Amatsiya unyana ka-Yowashe ukumkani wakwa-Yuda.

2 Ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emashumi mabini anesitôba engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina belingu-Yehowadan wase-Yerusalem.

3 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova; kodwa akabi njengo-Davide uyise; wenza njengako konke awakwenzayo u-Yowashe uyise.

4 Kodwa zona izigânga azisuswanga; abantu bebesabingelela beqûmisela ezigângeni.

5 Watî, bakuqiniseka ubukumkani esandleni sakê, wababulala abakônzi bakê ababembulele ukumkani uyise.

6 Ke onyana bababulali-abo akababulalanga, njengoko kubâliweyo encwadini yomyalelo ka-Moses, apô u-Yehova wayewise umtêtô wokutî, Oyise mabangabulawa ngenxa yonyana, onyana mabangabulawa ngenxa yoyise; elowo makabulawe ngesakê isono.

Digitized by Google

7 Wawabulala ama-Edom esi-Hlanjeni se-Tyuwa: ishumi lamawaka. Wayitimbâ ingxondofa ngokulwa; watî igamalayo yi-Yoketele unanamhla.

8 Waza u-Amatsiya watûmela abatûnywa ku-Yehohashe, unyana ka-Yehowahazi unyana ka-Yehu, ukumkani wakwa-Sirayeli, esitî, Yiza siqwalaselane ngamehlo.

9 U-Yehohashe ukumkani wakwa-Sirayeli watûmela ku-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, watî, Ikâkakâka elise-Lebanon latûmela kum-sedare ose-Lebanon, lisitî, Unyana wam mnike intombî yakô ibe ngumkakê. Ke ifamncwa lase-Lebanon laliwela lalibûqa ikâkakâka-elo.

10 Uwabulele okuhene ama-Edom, yakupâkamisa intliziyo yakô; zuka ngalonto uhlale endlwini yakô. Yinina ukuba ufeketé ngobubi, uwe wena nama-Yuda anawe?

11 Akapûlapûla u-Amatsiya. Wenyukake u-Yehohashe ukumkani wakwa-Sirayeli; baqwalaselana ngamehlo yena no-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda e-Bete-shemeshe (eyeyakwa-Yuda).

12 Atyelwa-ke ama-Yuda ngama-Sirayeli; yangulowo wasabela en-tenténi yakê.

13 U-Yehohashe ukumkani wakwa-Sirayeli wambambâ u-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, unyana ka-Yowashe unyana ka-Ahaziya, e-Bete-shemeshe, weza e-Yerusalem, waluqêkeza udonga lwe-Yerusalem, watâbatêla esangweni lakwa-Efrayim, wesa esangweni lembômbô, i-kubite ezimakûlu mane.

14 Wayitâbatâ yonke i-golide ne-silvere, nempahla zonke ezafumanekayo endlwini ka-Yehova nasebuncwaneni bendlu yokumkani, nabazizibambiso; wabuyela kwa-Samari.

15 Ezinye izinto zika-Yehohashe awazenzayo, nobuqoti bakê, nokulwa kwakê no-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, azibâlwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa Sirayeli?

16 Walala u-Yehohashe koyise, wancwatyelwa kwa-Samari ndawo-nye nokumkani bakwa-Sirayeli. U-Yarobeham unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

17 Wadla ubomi u-Amatsiya unyana ka-Yowashe, ukumkani wakwa-Yuda, iminyaka ilishumi linesihlanu emva kokufa kuka-Yehohashe, unyana ka-Yehohahazi ukumkani wakwa-Sirayeli.

18 Ezinye izinto zika-Amatsiya azibâlwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

19 Bamceba e-Yerusalem, wasabela e-Lakishe. Bamsukela bamfumana e-Lakishe, bambulalela kôna.

20 Bamtwala ngamahashe, bamncwabela e-Yerusalem koyise emzini ka-Davide.

21 Bonke abantu bakwa-Yuda bamtâbatâ u-Azariya, akubon' ukuba uminyaka ilishumi linamitândatû ezelwe, bamenza ukumkani esikûndleni sika-Amatsiya uyise.

22 Yakiwa nguye i-Elati, wayibuyisela kuma-Yuda, emveni kokuba ukumkani walalayo koyise.

23 Ngonyaka weshumi elinesihlanu ka-Amatsiya unyana ka-Yowashe, ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Yarobeham unyana ka-Yehohashe, ukumkani wakwa-Sirayeli, kwa-Samari, iminyaka emashumi mane anamnye.

24 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akatyeka ezonweni zonke zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisa ngazo ama-Sirayeli.

25 Yena wawubuyisa umda wakwa-Sirayeli: watâbatêla ekungeneni kwe-Hamati, wesa kulwandle lwe-Araba, ngokwelizwi lika-Yehova u-Tixo wakwa-Sirayeli, awalitêtâyo ngomkônzi wakê u-Yona unyana ka-Amitayi, um-profeti wase-Gati-hefere.

26 Ngokuba u-Yehova wakubona ukubandezelwa kwama-Sirayeli ukuba kurara kakûlu, upêlile ovalelweyo, upêlile ovulelweyo, kungekô namncedi kwa-Sirayeli.

27 U-Yehova akatshongo ukuti, uya kulicima igama lama-Sirayeli pântsi kwezulu; wawasindisa-ke ngesandla sika-Yarobeham unyana ka-Yehohashe.

28 Ezinye izinto zika-Yarobeham; nako konke awakwenzayo, nobuqoti bakê awalwa ngabo, awayibuyisela ngabo i-Damasko ne-Hamati yakwa-Yuda kuma-Sirayeli, azibâlwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

29 Walala u-Yarobeham koyise, kokumkani bakwa-Sirayeli; U-Zekariya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

Digitized by Google

15 Ngomnyaka wamashumi omabini anesixénxe ka-Yarobeham ukumkani wakwa-Sirayeli, waba ngukumkani u-Azariya unyana ka-Amatsiya, ukumkani wakwa-Yuda.

2 Ube minyaka ilishumi linamitándatú ezelwe, ukuba ngukumkani kwakè. Waba neminyaka emashumi mahlanu anamibini engukumkani e-Yerusalem; igama likanina belingu-Yekoliya wase-Yerusalem.

3 Wenza okutè-tye emehlweni ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Amatsiya uyise;

4 Kodwa azisuswanga izigānga; abantu babesahingelela beqúmisela ezigāngeni.

5 U-Yehova wambetá ukumkani, waneqénqa kwada kwayimini yokufa kwakè; wahlala endlwini eyodwa. Ke u-Yotam unyana wokumkani ebepètè ibótwe, ebalaula abantu belizwe.

6 Ezinye izinto zika-Azariya, nako konke awakwenzayo, azibálwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

7 Walala u-Azariya koyise; bamncwabela koyise emzini ka-Davide. U-Yotam unyana wakè waba ngukumkani esikúndleni sakè.

8 Ngonyaka wamashumi omatátú anesibózo ka-Azariya ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Zekariya unyana ka-Yarobeham kuma-Sirayeli kwa-Samari, inyanga ezintandatú.

9 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengoko benza ngako oyise; akatyeka ezonweni zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, awawónisa ngazo ama-Sirayeli.

10 U-Shalum unyana ka-Yabeshe wamceba, wamxabela pámbi kwabantu, wambulala; waba ngukumkani esikúndleni sakè.

11 Ezinye izinto zika-Zekariya, nanzo zibáliwe encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

12 Lilizwi-élo awalitètáyo u-Yehova ku-Yehu lokuti, Kuwe kuya kuhlala onyana besesine isizukulwana e-troneni yakwa-Sirayeli. Kwaba njalo-ke.

13 U-Shalum unyana ka-Yabeshe waba ngukumkani ngonyaka wamashumi omatátú anesitóba ka-Uziya ukumkani wakwa-Yuda. Waba ngukumkani inyanga ipèla kwa-Samari.

14 Wenyuka ú-Menahem unyana ka-Gadi, esuka e-Tirtsa, waya kwa-Samari, waxabela u-Shalum unyana ka-Yabeshe kwa-Samari, wambulala, wangukumkani esikúndleni sake.

15 Ezinye izinto zika-Shalum necebo lakè awalicebayo, nanzo zibáliwe encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

16 Waza u-Menahem wacita i-Tifesa nento yonke ebikuyo, nemida yayo epúma e-Tirtsa; ngokuba ingamvulelanga, wayixabela; wabaqangqulula bonke ababikuyo.

17 Ngomnyaka wamashumi omatátú anesitóba ka-Azariya ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Menahem unyana ka-Gadi kuma-Sirayeli, iminyaka elishumi kwa-Samari.

18 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akatyeka ezonweni zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawónisa ngazo ama-Sirayeli, yonke imihla yakè.

19 Walifikela ilizwe u-Puli ukumkani wakwa-Asuri; u-Menahem wanika u-Puli iwaka le-talente ze-silvere, ukuze izandla zakè zibe ngakuye, ukuze abuqinise ubukumkani esandleni sakè.

20 U-Menahem wayibiza i-silvere-leyo kuma-Sirayeli, kumadoda onke azityebi, ukuba anike ukumkani wakwa-Asuri: yangamashumi omahlanu e-shekele ze-silvere kumntu emnye. Wabuya-ke ukumkani wakwa-Asuri; akahlala ezweni elo.

21 Ezinye izinto zika-Menahem, nako konke awakwenzayo, azibálwanga-na encwadini yemicimbi yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli?

22 Walala ú-Menahem koyise; U-Pekaya unyana wakè waba ngukumkani esikúndleni sakè.

23 Ngomnyaka wamashumi omahlanu ka-Azariya ukumkani wakwa-Yuda, waba ngukumkani u-Pekaya unyana ka-Menahem kuma-Sirayeli kwa-Samari, iminyaka emibini.

24 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akatyeka ezonweni zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawónisa ngazo ama-Sirayeli.

25 U-Peka, unyana ka-Remaliya ifa-nankosi lakè, wamceba, wamxabela kwa-Samari enqabeni yendlu kakumkani, no-Ar-

Digitized by Google

gobi no-Ariye, enamadoda angamashumi omahlanu konyana bama-Giliyadi; wambulala, waba ngukumkani esikûndleni sakê.

26 Ezinye izinto zika-Pekaya, nako konke awakwenzayo, nanzo zibâliwe encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

27 Ngomnyaka wamashumi omahlanu anamibini ka-Azariya ukumkani wakwa-Yuda, u-Peka unyana ka-Remaliya waba ngukumkani kuma-Sirayeli kwa-Samari, iminyaka emashumi mabini.

28 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; akatyeka ezonweni zika-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawônisa ngazo ama-Sirayeli.

29 Ngemihla ka-Peka ukumkani wakwa-Sirayeli kwafika u-Tigelati-pilezere ukumkani wakwa-Asuri, wayitâbatâ i-Iyon, ne-Abele-bete-mahaka, ne-Yanowa, ne-Kadeshe, ne-Hatsore, nelase-Giliyadi, nelase-Galili, lonke ilizwe lakwa-Nafetali; wabatîmbâ wabafudusa wabasa kwa-Asuri.

30 U-Hoseya unyana ka-Ela wamceba u-Peka unyana ka-Remaliya, wamxabela, wambulala; waba ngukumkani esikûndleni sakê ngomnyaka wamashumi amabini ka-Yotam unyana ka-Uziya.

31 Ezinye izinto zika-Peka, nako konke awakwenzayo, nanzo zibâliwe encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Sirayeli.

32 Ngonyaka wesibini ka-Peka unyana ka-Remaliya, ukumkani wakwa-Sirayeli, waba ngukumkani u-Yotam unyana ka-Uziya, ukumkani wakwa-Yuda.

33 Ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê. Waba neminyaka elishumi linamitândatû engukumkani e-Yerusalem. Igama lonina belingu-Yerusha intombî ka-Tsadoki.

34 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova; wenza njengako konke awakwenzayo u-Uziya uyise.

35 Kodwa izigânga azisuswanga; abantu bebesabingelela beqûmisela ezigângeni. Yena walakâ isango langasentla lendlu ka-Yehova.

36 Ezinye izinto zika-Yotam, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

37 Ngalomihla waqala u-Yehova ukutûmela kwa-Yuda u-Retsin ukumkani wakwa-Aram, no-Peka unyana ka-Remaliya.

38 Walala u-Yotam koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davide uyise; u-Ahazi unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sake.

16 Ngonyaka weshumi elinesixênxe ka-Peka unyana ka-Remaliya, waba ngukumkani u-Ahazi unyana ka-Yotam, ukumkani wakwa-Yuda.

2 U-Ahazi ube minyaka imashumi mabini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê. Waba neminyaka elishumi linamitândatû engukumkani e-Yerusalem; akakwenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wakê, njengo-Davide uyise.

3 Wahambâ ngendlela yokumkani bakwa-Sirayeli: kananjalo wamcandisa emlilweni unyana wakê ngokwamasikizi entlanga, awazigqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

4 Wabingelela, waqûmisela ezigângeni, nasezindulini, napântsi kwemitî yonke eluhlaza.

5 Kwaza kwenyuka u-Retsin ukumkani wakwa-Aram, no-Peka unyana ka-Remaliya ukumkani wakwa-Sirayeli, beza kulwa e-Yerusalem; bamngqinga u-Ahazi ababi nako ukumeyisa.

6 Ngeloxesha u-Retsin ukumkani wakwa-Aram wayibuyisela i-Elati kuma-Aram, wawagxotâ ama-Yuda e-Elati. Eza ama-Aram e-Elati, ahlala kôna unanamhla.

7 Watûmela abatûnywa u-Ahazi ku-Tigelati-pilezere ukumkani wakwa-Asuri, watî, Ndingumkônzi wakô, ndingunyana wakô; nyuka uze kundisindisa esandleni sokumkani wakwa-Aram, nasesandleni sokumkani wakwa-Sirayeli, abandivunukeleyo.

8 U-Ahazi wayitâbatâ i-silvere ne-golide eyafumanekayo endlwini ka-Yehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani, wayitûmela kukumkani wakwa-Asuri isisicengo.

9 Ukumkani wakwa-Asuri wampûlapûla; wenyuka ukumkani wakwa-Asuri waya e-Damasko, wayitîmbâ, wabafudusa *abantu* wabasa e-Kiri, wambulala u-Retsin.

10 Ukumkani u-Ahazi waya kumhlangabeza u-Tigelati-pilezere ukumkani wakwa-Asuri e-Damasko. Wabona isibingelelo

Digitized by Google

esise-Damasko. U-Ahazi ukumkani wayitûmela imfano yesibingelelo-eso, isilinganiso saso ngokusetyenzwa kwaso konke, ku-Uriya umenzeleleli.

11 Wasakâ-ke isibingelelo u-Uriya umenzeleleli njengako konke abemtûmele kôna u-Ahazi ukumkani e-Damasko. Wenjenjalo u-Uriya umenzeleleli, wada wafika ukumkani u-Ahazi evela e-Damasko.

12 Weza ukumkani evela e-Damasko, wasibona ukumkani isibingelelo-eso; wasondela ukumkani kuso isibingelelo, wenyuka waya kuso,

13 Waqûmisela ngedini lakê elinyukayo nangomnikelo wakê wokudla, watûlula umnikelo wakê otûlulwayo, watshiza ngegazi lemibingelelo yakê yoxolo esibingelelweni.

14 Ke isibingelelo sobêdu, ebesipâmbî ko-Yehova, wasisusa pâmbî kwendlu, pâkatî kwesibingelelo esiya nendlu ka-Yehova, wasisondeza, wasibeka ecaleni lesibingelelo nge-Ntla.

15 U-Ahazi ukumkani wamwisela umtêtô u-Uriya umenzeleleli, watî, Pêzu kwesibingelelo esikûlu qûmisela ngedini elinyukayo lokusa, nangomnikelo wokudla wangokuhlwa, nangedini elinyukayo lokumkani, nangomnikelo wakê wokudla, nangedini elinyukayo labantu bonke belizwe, nangomnikelo wabo wokudla, nangeminikelo yabo etûlulwayo, utshize kuso ngegazi lonke ledini elinyukayo, negazi lonke lombingelelo; ke sona isibingelelo sobêdu ndiya kukê ndibuzise ngaso.

16 Wenza-ke u-Uriya umenzeleleli njengako konke, awamwisela umtêtô ngako ukumkani u-Ahazi.

17 Ukumkani u-Ahazi waziqâula i-panele zenqwelana, wazisusa kuzo inqâyi; walutûla ulwandle ezinkomeni zobêdu ezibe zingapântsi kwalo, walubeka pêzu kwesiseko samatye.

18 Igumbî elisitêlisiweyo le-sabatâ, ababelakê ngasendlwini, nendawo yokungena ukumkani ebi ngapândle, wayishenxisela endlwini ka-Yehova ngenxa yokumkani wakwa-Asuri.

19 Ezinye izinto zika-Ahazi awazenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

20 Walala u-Ahazi koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davide; waba ngukumkani u-Hezekiya unyana wakê esikûndleni sakê.

17 Ngonyaka weshumi elinesibini ka-Ahazi ukumkani wakwa-Yuda, u-Hoseya unyana ka-Ela waba ngukumkani kwa-Samari kuma-Sirayeli, iminyaka esitôba.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova; noko akabi njengokumkani bakwa-Sirayeli abebe pâmbî kwakê.

3 U-Shalemanesere ukumkani wakwa-Asuri wenyuka, wamfikela u-Hoseya; waba ngumkônzi wakê, waman'emfolela iminikelo.

4 Kekaloku ukumkani wakwa-Asuri wamfumana u-Hoseya elipâmbâ ngokuti atûme izigidimi ku-So ukumkani wama-Yiputa, angawunyusi awuse umnikelo kukumkani wakwa-Asuri njengokweminyaka ngeminyaka; ukumkani wakwa-Asuri wamvalela-ke wamkônxa entolongweni.

5 Ukumkani wakwa-Asuri waligqiba lonke ilizwe; wenyuka waya kumzi wakwa-Samari, wawungqinga iminyaka emitâtû.

6 Ngomnyaka wesitôba ka-Hoseya, ukumkani wakwa-Asuri wawutîmbâ umzi wakwa-Samari, wawafudusela ama-Sirayeli kwa-Asuri, wawabeka e-Hala, nase-Habore, emlanjeni oyi-Gozan, nasemizini yama-Medi.

7 Kwatî-ke, kuba onyana baka-Sirayeli bônayo ku-Yehova u-Tîxo wabo, owabanyusayo ezweni lama-Yiputa, wabafola pântsi kwesandla sika-Faro ukumkani wase-Yiputa, boyika tîxo bambî,

8 Bahambâ emimiselweni yentlanga, abezigqogqe u-Yehova ebusweni bonyana baka-Sirayeli, nakweyokumkani bakwa-Sirayeli, abebeyenzile.

9 Onyana baka-Sirayeli benza ngasese izinto ezingezizo ku-Yehova u-Tîxo wabo, bazakêla izigânga emizini yabo yonke, kwatâbatêla kwinqaba yababoniseli kwesa kumzi onqatyisiweyo.

10 Bazimisela iziniso zamatye no-Ashera ezindulini zonke ezinde, napântsi kwemitî yonke eluhlaza,

11 Baqûmisela kôna ezigângeni zonke njengentlanga, awazifudusayo u-Yehova ebusweni babo, benza izinto ezimbî zokumqumbîsa u-Yehova,

12 Bakônza izigodo ezizizitîxo, watî u-Yehova kubo, Ize ningazenzi ezonto.

13 Waqononondisa u-Yehova kwa-Sirayeli nakwa-Yuda ngaba-profeti bonke, imbôni ngembôni, esitî, Buyani ezindleleni zenu ezimbî, nigcine imitêtô yam, i-

Digitized by Google

mimiselo yam ngokomyalelo wonke endawumisela oyihlo, endawutûmela kuni ngesandla sabakônzi bam aba-profeti.

14 Abeva, bazenza lukûni intamo zabo njengentamo zoyise abangakôlwanga ngu-Yehova u-Tîxo wabo.

15 Bayicekisa imimiselo yakê, nomnqopîso wakê awawenzayo noyise babo, neziqîno zakê awazinqînayo kubo; balandela into ezingento, baba zinto ezingento, balandelana nentlanga ezibangqongileyo, awayebawisele umtêtô u-Yehova ngazo, ukuba bangenzi njengazo.

16 Bayishiya yonke imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wabo, bazenzela umfanekiso otŷidiweyo, amatôle amabini, benza u-Ashera, baqubuda kumkôsi wonke wezulu, bakônza u-Bahali.

17 Bacandisa onyana babo nentombî zabo emlilweni, bavumisa, bahlaba izihlabo, bazitêngisela ukwenza okubi emehlweni ka-Yehova, ukuba bamqumbîse.

18 U-Yehova waba nomsindo omkûlu kunene kuma-Sirayeli, wawasusa ebusweni bakê, yasisizwe sakwa-Yuda sodwa esasalayo.

19 Kwa nama-Yuda akayigcinanga imitêtô ka-Yehova u-Tîxo wawo; ahambâ ngemimiselo yama-Sirayeli abeyenzile.

20 Wayilahla-ke u-Yehova yonke imbêwu yakwa-Sirayeli, wabacinezela, wabanikela esandleni sabapângi, wada wabagxotâ ebusweni bakê.

21 Ngokuba wawarazula ama-Sirayeli endlwini ka-Davide; aza amenza ukumkani u-Yarobeham unyana ka-Nebati. U-Yarobeham wawawexula ama-Sirayeli ekumlandeleni u-Yehova, wawônisa ngesono esikûlu.

22 Bahambâ onyana baka-Sirayeli ezonweni zonke zika-Yarobeham awazenzayo, abatyeka kuzo,

23 Wada u-Yehova wawasusa ama-Sirayeli ebusweni bakô, njengoko wakutêtâyo ngabakônzi bakê bonke, aba-profeti. Afuduswa-ke ama-Sirayeli emhlabeni wawo, asiwa kwa-Asuri, unanamhla.

24 Kekaloku ukumkani wakwa-Asuri wazisa abantu bevela e-Babeli, nase-Kuta, nase-Ava, nase-Hamati, nase-Sefarvayim, wababeka emizini yakwa-Samari esikûndleni sonyana baka-Sirayeli. Balihlutâ elakwa-Samari, bahlala emizini yalo.

25 Kwatî ekuqaleni kokuma kwabo kôna abamoyika u-Yehova; u-Yehova watûma ingonyama pakatî kwabo; zaya zibulala pakatî kwabo.

26 Batetâ-ke kukumkani wakwa-Asuri, batî, Intlanga ozifudusileyo wazibeka emizini yelakwa-Samari azilazi isiko lo-Tîxo welilizwe; uzitûmele-ke ingonyama; yabona, ziyazibulala, ngokokuba zingalazi isiko lo-Tîxo welilizwe.

27 Wawisa umtêtô ukumkani wakwa-Asuri, watî, Yisani apo omnye wabenzeleleli enabafudusa kôna, aye ahlale kôna, abafundise isiko lo-Tixo welilizwe.

28 Waya-ke omnye wabenzeleleli, ababefudusiwe kwelakwa-Samari, wahlala e-Beteli, waman'ebafundisa ukuba mabatinina ukumoyika u-Yehova.

29 Lwaye uhlanga ngohlanga lusenza otîxo balo, lubamisa ezindlwini zezigânga awazenzayo ama-Samari, uhlanga ngohlanga emizini yalo apô beluhlala kôna.

30 Amadoda ase-Babeli enza u-Sukotibênoti, amadoda ase-Kuti enza u-Neregale; amadoda ase-Hamati enza u-Ashima;

31 Awase-Aya enza u-Nibehase no-Tartake; awase-Sefarvayim atshîsa onyana bawo ngomlilo ku-Adrameleki no-Anameleki, otîxo base-Sefarvayim.

32 Ebemoyika no-Yehova; azenzela eluntwini lonke abenzeleleli bezigânga, ababenzela amadini ezindlwini zezigânga.

33 U-Yehova ayemoyika, otîxo bawo ebakônza ngokwesiko lentlanga abefuduswe kuzo.

34 Unanamhla enza ngokwamasiko amhla mnene; akamoyiki u-Yehova, engenzi ngeyawo imimiselo nangelawo isiko, nangokomyalelo nangokomtêtô, u-Yehova awabawiselayo onyana baka-Yakobi, awamnika igama elingu-Sirayeli;

35 Wenza umnqopîso nabo u-Yehova, wabawisela umtêtô, watî, Ize ningoyiki tîxo bambî, ningaqubudi kubo, ningabakônzi, ningabingeleli kubo;

36 Ngu-Yehova yedwa owaninyusayo ezweni lase-Yiputa ngamandla amakûlu nangengalo eyolulweyo; nguye eniya koyika yena, niqubude kuye, nibingelele kuye;

37 Imimiselo namasiko, nomyalelo nomtêtô awanibâlelayo, nigcine ukwenza yona, yonke imihla, ningoyiki tîxo bambî;

38 Umnqopîso endawenza nani, ningawulibali wona, ningoyiki tîxo bambî;

Digitized by Google

39 Ngu-Yehova u-Tixo wenu yedwa eniya koyika yena; wonihlangula esandleni sentshaba zenu yena.

40 Abapûlapûlanga; benza ngokwesiko labo lamhla mnene.

41 Zaye zisiti-ke ezontlanga zoyike u-Yehova, zikônze nemifanekiso yazo eqingqiweyo; kananjalo abantwana bazo, nabantwana babantwana bazo; njengoko benza ngako oyise, benza ngako nabo unanamhla.

18 Kwati ngonyaka wesitâtû ka-Hoseya unyana ka-Ela, ukumkani wakwa-Sirayeli, waba ngukumkani u-Hezekiya unyana ka-Ahazi ukumkani wakwa-Yuda.

2 Ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emashumi mabini anesitôba engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Abi intombi ka-Zekariya.

3 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova, njengakô konke awakwenzayo u-Davide uyise.

4 Wazisusa izigânga, waziqêkeza izimiso zamatye, wamgaula u-Ashera, wayiqôba inyoka yobêdu awayenzayo u-Moses; ngokuba kwada kwayilomini onyana baka-Sirayeli beqûmisela kuyo; kwatiwa lonto lubêdu-nje kodwa.

5 Wakôlosa ngo-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli; emveni kwakê akubangakô unjengaye pâkati kokumkani bonke bakwa-Yuda, napâkati kwabo babekô ngapâmbi kwakê.

6 Wanamatêla ku-Yehova; akatyeka ekumlandeleni; wayigcina imitêtô, abetê u-Yehova wayiwisela u-Moses.

7 U-Yehova waba naye; wenza ngengqiqo ezintweni zonke azipûmeleyo. Wagwilika kukumkani wakwa-Asuri, akamkônza.

8 Yena wawaxabela ama-Filisti wada wesa e-Gaza nasemdeni wayo, watâbatêla enqabeni yababoniseli, wesa emzini onqatyisiweyo.

9 Kwati ngomnyaka wesine wokumkani u-Hezekiya, (lowo ngumnyaka wesixênxe ka-Hoseya unyana ka-Ela, ukumkani wakwa-Sirayeli), wenyuka u-Shalemanesere ukumkani wakwa-Asuri, wawufikela umzi wakwa-Samari, wawungqinga.

10 Bawutîmbâ ekupêleni kweminyaka emitâtû, ngomnyaka wesitândatû ka-Hezekiya, (lowo ngumnyaka wesitôba ka-Hoseya ukumkani wakwa-Sirayeli,) watinjwa ke umzi wakwa-Samari.

11 Ukumkani wakwa-Asuri wawafudusela ama-Sirayeli kwa-Asuri, wawabeka e-Hala, enase-Habore emlanjeni oyi-Gozan, nasemizini yama-Medi,

12 Ngenx' enokuba engalipûlapûlanga izwi lika-Yehova u-Tixo wawo, esuka awugqitâ umnqopiso wakê, nakô konke awawisa umtêtô ngakô u-Moses isicaka sika-Yehova; akeva, akenza.

13 Kekaloku ngomnyaka weshumi elinesine wokumkani u-Hezekiya, wenyuka u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, waya kuyo yonke imizi enqatyisiweyo yakwa-Yuda, wayitâbatâ.

14 U-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda watûmela kukumkani wakwa-Asuri e-Lakishe, esiti, Ndonile, buya umke kum; otê wakubeka pêzu kwam ndokutwala. Waza ukumkani wakwa-Asuri wabeka pêzu ko-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda amakûlu omatâtû e-talente ze-silvere, namashumi omatâtû e-talente ze-golide.

15 U-Hezekiya wamnika yonke i-silvere eyafunyanwa endlwini ka-Yehova, nasebuncwaneni bendlu yokumkani.

16 Ngeloxesha u-Hezekiya wayinqamla i-golide yencango ze-tempile ka-Yehova, nemigubasi abeyalekile u-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, wanika ukumkani wakwa-Asuri.

17 Ukumkani wakwa-Asuri wasusa u-Tartan no-Rabesarisi no-Rabeshake e-Lakishe, baya kukumkani u-Hezekiya e-Yerusalem, benempi enzima. Benyuka baya e-Yerusalem. Benyuka-ke, bafika, bema emjelweni wecibi langasentla, osemendweni wentsimi yomsuki wengubo.

18 Bamemeza kukumkani. Kwapûma kwaya kubo u-Eliyakim unyana ka-Hilekiya, umpâti wendlu, no-Shebena umbâli, no-Yowa unyana ka-Asafu, umkûmbûzi wezinto zakomkûlu.

19 Wati kubo u-Rabeshake, Kânitî ku-Hezekiya, Utsho ukumkani omkûlu, ukumkani wakwa-Asuri, ukuti, Yeyanina lenkôloseko ukôlose ngayo?

20 Utî, (utêtâ into yomlomo wodwa,) Uneqînga nobugofa bokulwa. Ukôlose ngobanina, ugwilike kum-nje?

Digitized by Google

21 Uyabona, ukôlose ngalomsimelelo wengcongolo evikivekileyo, i-Yiputa, etí otè wayama ngayo, imngene esandleni, imhlabe? Unjalo u-Faro ukumkani wase-Yiputa kubo bonke abakôlose ngaye.

22 Ke ukuba niti kum, Sikôlose ngo-Yehova u-Tixo wetû; *nditi*, Asinguye-na lo uzigãnga nezibingelelo azisusileyo u-Hezekiya, watsho kuma-Yuda nakwi-Yerusalem, ukuti, Ize niqubude pâmbí kwesisibingelelo e-Yerusalem apâ?

23 Kâubekelane kaloku nenkosi yam ukumkani wakwa-Asuri: ndokunika amawaka amabini amahashe, ukuba unakô ukundinika abakŵeli bokuwakŵela.

24 Wotí-nina ukubujika ubuso benkosana enye yakubo abancinane babakônzi benkosi yam? ukôlose-nje nge-Yiputa ngenqwelo zokulwa nangabamahashe?

25 Ngoku-nje ndinyuke ndeza kuyonakalisa lendawo, ndinge naye u-Yehova yinina? Ngu-Yehova lo utè kum, Nyuka uye kulonakalisa elilizwe.

26 Watí u-Eliyakim unyana ka-Hilekiya, no-Shebena no-Yowa ku-Rabeshake, Kâutêtê kubakônzi bakô ngesi-Aram, kuba sisiva. Mus' ukutêtâ natí ngesi-Yuda ezindlebeni zabantu abaseludongeni.

27 Watí u-Rabeshake kubo, Inkosi yam inditûme ukuba ndiwatêtê lamazwi enkosini yakô-na, nakuwe-na? Asikulamadoda ahleliyo eludongeni yinina, ukuze adle ilindle lawo, asele umcâmo wawo nani?

28 Wema u-Rabeshake, wadanduluka ngezwi elikûlu ngesi-Yuda, watêtâ, watí, Yivani ilizwi lokumkani omkûlu, lokumkani wakwa-Asuri.

29 Utí ukumkani, Makanganilukuhli u-Hezekiya; ngokuba akayi kuba nakô ukunihlangula esandleni sam.

30 Makanganikôlosisi ngo-Yehova u-Hezekiya, esiti, Inene uya kusihlangula u-Yehova, lomzi awusayi kunikelwa esandleni sokumkani wakwa-Asuri.

31 Musan' ukumpûlapûla u-Hezekiya; ngokuba utsho ukumkani wakwa-Asuri, ukutí, Xolisanani nam, nipûme nize kum, nidle elowo um-diliya wakê, elowo umkíwane wakê, nisele elowo amanzi equla lakê,

32 Ndide ndize ndinise ezweni elinjengelizwe lenu, ilizwe lenqôlowa ne-wayini entsha, ilizwe lesonka nezi-diliya, ilizwe lomnquma one-oli, elinobusi, nidle ubomi, ningafi. Musan' ukumpûlapûla u-Hezekiya; ngokuba uyaninyanga xa atí, U-Yehova uya kunihlangula.

33 Otíxo bentlanga balihlangula-na elowo ilizwe lakê esandleni sokumkani wakwa-Asuri?

34 Bapína otíxo base-Hamati ne-Arpadi? Bapína otíxo base-Sefarvayim ne-Hena ne-Iva, ukuba bangabi balihlangula elakwa-Samari esandleni sam?

35 Nguwupína kotíxo bonke balamazwe, olihlanguleyo ilizwe lakê esandleni sam, ukuba ade u-Yehova ayihlangule i-Yerusalem esandleni sam?

36 Batí-tu abantu, abampêndula nazwi; ngokuba umtêtô wokumkani wona ubusitî, Ize ningampênduli.

37 Beza-ke o-Eliyakim unyana ka-Hilekiya, umpâtí wendlu, no-Shebena umbâli, no-Yowa unyana ka-Asafu, umkûmbûzi wezinto zakomkûlu, ku-Hezekiya, beziŕazule ingubo zabo, bamxelela amazwi ka-Rabeshake.

19 Kwatí, akukuva oko ukumkani u-Hezekiya, waziŕazula ingubo zakê, wazigquma ngeziŕwexayo, wangena endlwini ka-Yehova;

2 Watûma u-Eliyakim umpâtí wendlu, no-Shebena umbâli, namadoda amakûlu abenzeleleli ezigubungele ngeziŕwexayo, ku-Yesaya umprofeti, unyana ka-Amotse.

3 Batí kuye, Utsho u-Hezekiya ukutí, Lemini yimini yembândezelo neyokohlwaywa, neyogibo; ngokuba abantwana baze kufika emlonyeni wesizalo, tu-ke amandla okuzala.

4 Mhlaumbí u-Yehova u-Tíxo wakô angaweva onke amazwi ka-Rabeshake, otûnyiweyo ngukumkani wakwa-Asuri inkosi yakê, ukungcikiva u-Tíxo opílileyo, amohlwaye ngenxa yamazwi lawo awavileyo u-Yehova u-Tíxo wakô. Nyusa-ke umtândazo ngenxa yamaqongqolo asekôyo.

5 Baya-ke abakônzi bokumkani u-Hezekiya ku-Yesaya.

6 Watí u-Yesaya kubo, Notsho kwinkosi yenu ukutí, Utsho u-Yehova ukutí, Mus'ukuwoyika amazwi owavileyo, abandinyelise ngawo abafana bokumkani wakwa-Asuri.

7 Yabona, ndimfaka umoya, ukuba eve udaba olubi, abuye-ke aye ezweni lakê, ndimwise ngeŕele ezweni lakê.

8 Wabuya-ke u-Rabeshake, wamfumana

Digitized by Google

ukumkani wakwa-Asuri esilwa ne-Libena; ngokuba ebevile ukuba undulukile e-Lakishe.

9 Weva kusitîwa ngo-Tiraka ukumkani wakwa-Kushi, Nanko epûma eza kulwa nawe. Wabuya watûmela abatûnywa ku-Hezekiya, esitî,

10 Notsho ku-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, ukutî, Mus'ukulukuhlwa ngu-Tixo wakô, okôlose ngaye wena, usitî, Ayisayi kunikelwa i-Yerusalem esandleni sokumkani wakwa-Asuri.

11 Uyabona, ukuvile wena oko bakwenzayo okumkani bakwa-Asuri kumazwe onke, ukuba bawapânzisa. Uyakuhlangulwa-na-ke wena?

12 Otixo bentlanga bazihlangula-na-ke ezo, zatshatyalaliswa ngobawo: i-Gozan, ne-Haran, ne-Retsefe, nabase-Eden ababese-Telasare?

13 Upîna ukumkani we-Hamati, nokumkani we-Arpadi, nokumkani womzi wase-Sefarvayim, ne-Hena, ne-Iva?

14 Wawatâbatâ u-Hezekiya amapêpâ encwadi ezandleni zabatûnywa, wawalesa; wenyuka waya endlwini ka-Yehova, wawaneka u-Hezekiya pâmbî ko-Yehova.

15 Watândaza u-Hezekiya pâmbî ko-Yehova, watî, Yehova, Tîxo wakwa-Sirayeli, uhleli wena pâkatî kwe-kerubi, unguye u-Tîxo wena wedwa kwizikumkani zonke zomhlaba; wena ulenzile izulu nomhlaba.

16 Tôba indlebe yakô, Yehova, uve; vula amehlo akô, Yehova, ubone; uweve amazwi ka-Saneribe, otûme ukungcikiva ngawo u-Tîxo opîlileyo.

17 Okunene, Yehova, okumkani bakwa-Asuri bazicitîle intlanga namazwe azo,

18 Babanikela otîxo bazo emlilweni, kuba bebenge tîxo, bebengumsebenzi wezandla zomntu, umtî nelitye, babatshabalalisa-ke.

19 Kengoko, Yehova Tîxo wetû, kâusisindise esandleni sakê, zazi zonke izikumkani zomhlaba ukuba wena ungu-Yehova u-Tîxo wedwa.

20 Watûmela-ke u-Yesaya unyana ka-Amotse ku-Hezekiya, esitî, Utsho u-Yehova u-Tîxo wakwa-Sirayeli,ukutî, Okutândazeleyo kum ngokubêkisele ku-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, ndikuvile.

21 Lilo eli ilizwi alitêtîleyo u-Yehova ngaye, Intombî eyintombî engu-Tsiyon iyakudela, iyakugculela; intombî engu-Yerusalem ihlunguzela intloko emva kwakô.

22 Ngubanina lo umngcikivileyo, umnyelisileyo? ngubanina lo umpâkamisele izwi lakô, ukude uwapâkamisele amehlo akô pêzulu-nje? Ng-Oyingcwele wakwa-Sirayeli.

23 Ngabatûnywa bakô uyingcikivile i-Nkosi, watî, Ngobuninzi benqwelo zam zokulwa ndiqabele mna ezintlomeni zentaba, ematâmbêkeni e-Lebanon, ndiyigaule imi-sedare yayo emide kakûlu nemisipres yayo enyuliweyo, ndifike kweyokupêla indawo yayo yokulalisa, ehlatîni lentsimi yayo ecûmayo.

24 Mna ndimbê ndasela amanzi abefudula engekô, ndayomisa ngentende yenyawo zam yonke imijelo yase-Yiputa.

25 Akuvanga-na? kwakude ndakwenza oku, kwa ngemihla yamandulo ndakubumbâ. Ndikufikisile kwenzeka ngoku, ukuba uyikâhlele pântsî imizi enqatyisiweyo ibe yingxakangxaka yemiwewe.

26 Abemi bayo banqumka izandla, baqîpûka umbîlini badana, baba ngumfuno wasendle nohlaza utyani obupêzu kwendlu, isihumbâ enqôloweni ingekabi mvila.

27 Ke, ukuhlala kwakô, nokupûma kwakô nokungena kwakô ndiyakwazi, nokuguguma kwakô ngam.

28 Ngenxa yokundigugumela kwakô, nangenxa yokutyesha kwakô okunyuke kweza ezindlebeni zam, ndiya kufaka ikônco lam empumlweni yakô, nomkâla wam emlonyeni wakô, ndikubuyise ngendlela oweza ngayo.

29 Kekaloku nguwo lo umqondiso kuwe: nonyaka kodliwa ummilela, ngonyaka wesibini kodliwa isihlabane, ngonyaka wesitâtû nohlwayela nivune, nityale izidiliya, nidle iziqâmo zazo;

30 Abasindileyo bendlu yakwa-Yuda, abo baseleyo, babuye bendelisele ingcambû pântsi, benze iziqâmo pêzulu.

31 Ngokuba kuya kupûma e-Yerusalem abaseleyo, nabasindileyo entabeni ye-Tsiyon; ubukwêle buka-Yehova wemikôsi buya kukwenza oko.

32 Ngako oko utsho u-Yehova ngokubêkisele kukumkani wakwa-Asuri, ukutî, Akayi kungena kulomzi; akayi kutola notolo kuwo; akayi kuwuzela enengweletshetshe, akayi kuwufumbêla ludonga lwakungqinga.

Digitized by Google

33 Uya kubuya ngendlela aya kuza ngayo; akasayi kungena kulomzi, utsho u-Yehova.

34 Ndiya kuwukûsela lomzi, ndiwusindise ngenxa yam, nangenxa ka-Davide isicaka sam.

35 Kwatî ngobobusuku, kwapûma isitûnywa sika-Yehova, saxabela emkôsini wama-Asuri ikûlu elinamanci asibôzo anesihlanu lamawaka. Bavuka kusasa, nango ezidûmbû ezifileyo onke.

36 Wanduluka, wahambâ; wabuya u-Sancribe ukumkani wakwa-Asuri, wahlala e-Nineve.

37 Kwatî, enqula endlwini ka-Niseroki utîxo wakê, bamxabela ngerele o-Adrameleki no-Sharetsere onyana bakê. Baza basabela ezweni lase-Ararati. U-Esarhadon unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

20 Ngalomihla wayesifa u-Hezekiya, eza kufa. Waya um-profeti u-Yesaya unyana ka-Amotse watî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Yolela; ngokuba uya kufa wena, akuyi kupîla.

2 Wabubêkisa eludongeni ubuso bakê, watândaza ku-Yehova, esitî,

3 Kâukûmbûle ndiyakukûnga, Yehova, okokuba ndihambê pâmbî kwakô ngokunyanisa nangentliziyo epêlelisileyo, ndakwenza okulungileyo emehlweni akô. Wasitsho u-Hezekiya isililo esikûlu.

4 Kwatî, u-Yesaya engekapûmi kopâkatî umzi, lafika ilizwi lika-Yehova kuye, lisitî.

5 Buya uye kutî ku-Hezekiya ingănga yabantu bam, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Davide uyihlo, ukutî, Ndiwuvile umtândazo wakô, ndizibonile inyembêzi zakô; uyabona, ndiya kukupîlisa; ngomhla wesitâtû uya kunyuka uye endlwini ka-Yehova;

6 Ndongeze kwimihla yakô ishumi elinesihlanu leminyaka; ndikuhlangule wena nalomzi esandleni sokumkani wakwa-Asuri, ndiwukûsele lomzi ngenxa yam nangenxa ka-Davide isicaka sam.

7 Watî u-Yesaya, Tâbatâni isicumbâ samakîwane; basitâbatâ-ke babeka etumbêni, wapîla.

8 Watî u-Hezekiya ku-Yesaya, Uyintonina umqondiso wokuba u-Yehova uya kundipîlisa, ndinyuke ndiye endlwini ka-Yehova ngomhla wesitâtû?

9 Watî u-Yesaya, Nangu-ke umqondiso kuwe opûma ku-Yehova, wokuba uya kulenza u-Yehova ilizwi alitêtîleyo: Isitûnzi sihambê-na izinyuko ezilishumi, sibuye-na izinyuko ezilishumi?

10 Watî u-Hezekiya, Kulula kwisitûnzi ukoluka izinyuko ezilishumi; hayi, isitûnzi masibuye umva izinyuko ezilishumi.

11 U-Yesaya um-profeti wamnqula u-Yehova, wasibuyisa umva isitûnzi izinyuko zalishumi, esasihle zona esinyukweni sika-Ahazi.

12 Ngeloxesha u-Berodaki-baladan unyana ka-Baladan, ukumkani wase-Babeli, watûmela incwadi nomnikelo ku-Hezekiya; ngokuba ubevile ukuba u-Hezekiya ubesifa.

13 Wabeva u-Hezekiya, wababonisa yonke indlu yakê yengqwebo: i-silvere, ne-golide, nobulawu, ne-oli entle, nendlu yonke yentonga zakê, nento yonke eyayikô ebuncwaneni bakê; akwabikô nto endlwini yakê, nasekulauleni kwakê konke, angababonisanga yona u-Hezekiya.

14 Waya u-Yesaya um-profeti kukumkani u-Hezekiya, watî kuye, Atê-nina lamadoda? Abevela ngapîna ukuza kuwe? Watî u-Hezekiya, Abevela ezweni elikude e-Babeli.

15 Watî, Abone nto-nina endlwini yakô? Watî u-Hezekiya, Abone into yonke esendlwini yam. Akubangakô nto ndingababonisanga yona ebunowaneni bam.

16 Watî u-Yesaya ku-Hezekiya, Live ilizwi lika-Yehova.

17 Uyabona, kuza imihla eya kutî yonke into esendlwini yakô, nento abayiqwebayo oyihlo kwada kwayilemini, itwalelwe e-Babeli, kungasali nto, utsho u-Yehova;

18 Batâbatê nakonyana bakô abaya kupûma kuwe, oya kubazala, babe ngababusi ebôtwe lokumkani wase-Babeli.

19 Watî u-Hezekiya ku-Yesaya, Lilungile ilizwi lika-Yehova olitêtîleyo. Watî, Akunjalo-na ukuba kuya kubakô ukuxola nokunyanisa ngeyam imihla?

20 Ezinye izinto zika-Hezekiya, nobugofa bakê bonke, nokwenza kwakê icîbi nomjelo, nokuwangenisa kwakê amanzi kuwo umzi, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

21 Walala u-Hezekiya koyise; U-Ma-

Digitized by Google

nase unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

21 U-Manase ube minyaka ilishumi elinamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emashumi mahlanu anamihlanu engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Hefetsiba.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova ngokwamasikizi entlanga, awazigqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

3 Wabuya wazakâ izigânga, awayezidilizile u-Hezekiya uyise, wammisela u-Bahali izibingelelo, wenza o-Ashera, njengoko wenzayo u-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli, waqubuda kumkôsi wonke wezulu, wawukônza;

4 Wakâ izibingelelo endlwini ka-Yehova, leyo watî u-Yehova ngayo, Ndiya kulibeka e-Yerusalem igama lam.

5 Wawakêla izibingelelo wonke umkôsi wezulu entendelezweni zombîni zendlu ka-Yehova;

6 Wamcandisa unyana wakê emlilweni, walitola, wahlaba izihlabo, wamisa abaneshologu nosiyazi, wapîkela ukwenza okubi emehlweni ka-Yehova, ukuba amqumbise.

7 Wawumisa umfanekiso oqingqiweyo ka-Ashera, abewenzile, endlwini-leyo wayetê u-Yehova ku-Davide naku-Solomon unyana wakê, Kuyo lendlu nase-Yerusalem, endiyinyulileyo ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, ndiya kulibeka kôna igama lam ngonapâkade;

8 Ndingapîndi ndilushukumise unyawo lwama-Sirayeli emhlabeni, endawunika oyise; kodwa makabe aya kugcina ukwenza njengako konke endiwawisele umtêtô ngako, nanjengokomyalelo wonke esawawiselayo isicaka sam u-Moses.

9 Akapûlapûla-ke; wawalukuhla u-Manase, ukuba enze okubi ngapêzu kwentlanga, awazitshabalalisayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

10 Watêtâ u-Yehova ngabakônzi bakê aba-profeti, esitî,

11 Ngenx' enokuba u-Manase ukumkani wakwa-Yuda ewenzile lomasikizi, wenza okubi okungapêzulu kwako konke awakwenzayo ama-Amori, abe ngapâmbî kwakê, wawônisa nama-Yuda ngezigodo zakê ezizizitîxo.

12 Ngako oko utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Yabona, ndiyizisela i-Yerusalem ne-Yuda ububi, eziya kutî-nzwi indlebe zombîni zabo bonke ababuvayo;

13 Ndilolule pêzu kwe-Yerusalem ulutya lokulinganisa lwakwa-Samari, ne-lotê yokulinganisa yendlu ka-Ahabi, ndiyisule i-Yerusalem njengosula isitya, asisule, asisibeke;

14 Ndiwalahle amasalela elifa lam, ndibanikele esandleni sentshaba zabo; ukuba bapângwe, batînjwe zizo zonke intshaba zabo;

15 Ngenx' enokuba benze okubi emehlweni am, bandiqumbîsa, kususela kwimini abapûma ngayo oyise e-Yiputa unanamhla.

16 Kananjalo igazi elimsulwa ulipâlaze lalininzi kunene u-Manase, yada yazala i-Yerusalem, kwatâbatêla kwelinye icala kwesa kwelinye; sisodwa sona isono sakê awawônisayo ngaso ama-Yuda, ngokwenza okubi emehlweni ka-Yehova.

17 Ezinye izinto zika-Manase, nako konke awakwenzayo, nesono sakê awônayo ngaso, asibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

18 Walala u-Manase koyise, wancwatyelwa emyezweni wendlu yakê, emyezweni ka-Uza. U-Amon unyana wake waba ngukumkani esikûndleni sakê.

19 U-Amon ube minyaka imashumi mabini anamibîni ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emibini engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Meshulemete intombî ka-Harutse wase-Yotêba.

20 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengoko wenza ngako u-Manase uyise.

21 Wahambâ ngendlela yonke, awahambâ ngayo uyise; wazikônza izigodo ezizizitîxo awazikônzayo uyise, waqubuda kuzo.

22 Wamshiya u-Yehova, u-Tixo woyise, akahambâ ngendlela ka-Yehova.

23 Bamceba abakônzi baka-Amon, bambulala ukumkani-lowo endlwini yakê.

24 Abantu belizwe-elo bababulala bonke abo babecebe ukumkani u-Amon. Batî abantu belizwe-elo bamenza ukumkani u-Yosiya unyana wakê esikûndleni sake.

25 Ezinye izinto zika-Amon awazenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

26 Wancwatyelwa encwabeni lakê, e-

Digitized by Google

myezweni ka-Uza. U-Yosiya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

22 U-Yosiya ube minyaka isibôzo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê waba neminyaka emashumi matâtû anamnye engukumkani e-Yerusalem, igama lonina belingu-Yedida intombî ka-Adaya wase-Botsekati.

2 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova wahambâ ngendlela yonke ka-Davide uyise; akatyekela ngasekunene nangasekôhlo.

3 Kwatî ngomnyaka weshumi elinesibôzo wokumkani u-Yosiya, ukumkani watûma u-Shafan unyana ka-Atsaliya, unyana ka-Meshulam, umbâli, endlwini ka-Yehova, esitî,

4 Nyuka uye ku-Hilekiya umenzeleleli omkûlu, ayilungise imali ezisiweyo endlwini ka-Yehova, abayihlanganisileyo abagcini-mnyango ebantwini;

5 Bayinikele esandleni sabenzi bomsebenzi, abayikângelayo indlu ka-Yehova, bayinikele kubenzi bomsebenzi osendlwini ka-Yehova, zitywinwe intânda zendlu;

6 Bayinikele kwincîbi zemitî nakubakî, nakwabakâ ngamatye; kutêngwe imiti namatye axôliweyo, kuhlaziywe indlu;

7 Kodwa bekungabalelwana nabo ngemali, ebinikelwe esandleni sabo; ngokuba basebenza benyanisekile.

8 Watî u-Hilekiya umenzeleleli omkûlu ku-Shafan umbâli, Incwadi yomyalelo ndiyifumene endlwini ka-Yehova. U-Hilekiya wamnika u-Shafan incwadi-leyo, wayilesa.

9 Weza-ke u-Shafan umbâli kukumkani, wambuyisela ilizwi ukumkani, watî, Bayikûpele abakônzi bakô imali eyafumanekayo endlwini, bayinikela esandleni sabenzi bomsebenzi abayikângelayo indlu ka-Yehova.

10 Waxela-ke u-Shafan umbâli kukumkani, esitî, U-Hilekiya umenzeleleli undinike incwadi. Wayilesa u-Shafan pâmbî kokumkani.

11 Kwatî, akuweva ukumkani amazwi encwadi yomyalelo, wasuka wazifazula ingubo zakê.

12 Ukumkani wabawisela umtêtô o-Hilekiya umenzeleleli, no-Ahikam unyana ka-Shafan, no-Akebore unyana ka-Mikaya, no-Shafan umbâli, no-Asaya umkônzi wokumkani, esiti,

13 Yiyani nibuzise ku-Yehova ngenxa yam, nangenxa yabantu, nangenxa yama-Yuda onke, malunga namazwi alencwadi ifunyenweyo; ngokuba bukûlu ubushushu buka-Yehova esibaselwe bona, ngenx' enokuba obawo bengawapûlapûlanga amazwi alencwadi, ukuba benze njengako konke kubâliweyo kuyo ngatî.

14 Waya-ke u-Hilekiya umenzeleleli, no-Ahikam, no-Akebore, no-Shafan, no-Asaya ku-Hulda um-profetikazi, umka-Shalum unyana ka-Tikva, unyana ka-Harhase, umgcini-ngubo; (waye yena ehleli e-Yerusalem kwesesibini isahlulo sayo;) batêtâ naye.

15 Watî kubo, Utsho u-Yehova u-Tixo wakwa-Sirayeli, ukutî, Notî kulondoda initûmileyo kum,

16 Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, Ndiyizisela ububi lendawo nabemi bayo, onke amazwi encwadi ayilesileyo ukumkani wakwa-Yuda;

17 Ngetûba lokuba bendishiyile mna, baqûmisela tixweni bambî, ukuba bandiqumbîse ngomsebenzi wonke wezandla zabo, yotî lendawo ibaselwe ubushushu bam, bungacinywa.

18 Ke kukumkani wakwa-Yuda onitûme ukubuzisa ku-Yehova, notsho kuye ukutî, Utsho u-Yehova, u-Tixo wakwa-Sirayeli, ukutî; Okwalamazwi uwavileyo;—

19 Ngokokuba ibitâmbîle intliziyo yakô, wazitôba pâmbî ko-Yehova, ekukuveni kwakô endikutêtîleyo ngalendawo, nangabemi bayo, ukuba beya kuba zimpanza nesiqalekiso, waziɬazula ingubo zakô, walila pâmbî kwam: nam ndikuvile, utsho u-Yehova.

20 Ngako oko uyabona, ndiya kukuhlanganisela koyihlo, uhlanganiselwe encwabeni lakô unoxolo, angabuboni amehlo akô bonke ububi endibuzisela lendawo. Bambuyisela-ke ilizwi ukumkani.

23 Watûmela ukumkani; ahlanganisela na kuye onke amadoda amakûlu akwa-Yuda ne-Yerusalem.

2 Wenyuka ukumkani waya endlwini ka-Yehova, namadoda onke akwa-Yuda, nabemi bonke base-Yerusalem kunye naye, nabenzeleleli, naba-profeti, nabantu bonke, kwatâbatêla komncinane kwesa komkûlu. Wawalesa ezindlebeni zabo onke

Digitized by Google

amazwi encwadi yomnqopíso, eyafunyanwa endlwini ka-Yehova.

3 Wema ukumkani pézu kwendawo epákamileyo, wenza umnqopíso pámbí ko-Yehova wokulandela u-Yehova, nokugcina imitétó yaké, nezinqíno zaké, neminiselo yaké, ngentliziyo yonke, nangompéfumlo wonke, nokuwamisa onke amazwi alomnqopíso abáliweyo kulencwadi; bema-ke bonke abantu emnqopísweni lowo.

4 Ukumkani wamwisela umtétó u-Hilekiya umenzeleleli omkúlu, nabenzeleleli bolwesibini udidi, nabagcini-mnyango wokuba bazikúpé ebótwe lika-Yehova zonke impahla ezaye zenzelwe u-Bahali, no-Ashera, nomkósi wonke wezulu. Wazitshisela ngapándle kwe-Yerusalem emapándleni ase-Kidron, utútú lwazo walusa e-Beteli.

5 Wabapélisa abenzeleleli abange ngabo, ababeté okumkani bakwa-Yuda babamisela ukuqúmisela ezigángeni, emizini yakwa-Yuda, nangenxa zonke e-Yerusalem; nabaqúmisela ku-Bahali, nakwilanga, nakwinyanga, nakwinkwenkwezi, nakumkósi wonke wezulu.

6 Wamkúpá u-Ashera endlwini ka-Yehova, wamsa ngapándle kwe-Yerusalem, emlanjaneni oyi-Kidron, wamtshisela emlanjaneni oyi-Kidron; bamcola walutúli; walupósa utúli lwaké pézu kwamancwaba onyana babantu.

7 Wazidiliza izindlu zeńawu ezibe zisendlwini ka-Yehova, apo amankazana lawo abemlukela kóna u-Ashera in-tente.

8 Wabatábatá bonke abenzeleleli emizini yakwa-Yuda, wazenza inqambí izigánga, apó babeqúmisela kóna abenzeleleli, etábatéla e-Geba ase e-Ber-sheba, wazidiliza izigánga zamasango, ezisekungeneni kwesango lika-Yoshuwa umtétéli womzi, nezisekóhlo komntu ongena esangweni lomzi.

9 Kodwa-ke abenzeleleli abo bezigánga abenyukanga beze esibingelelweni sika-Yehova e-Yerusalem; banela ukudla izoka ezingenagwele pákatí kwabazalwana babo.

10 Wayenza inqambí i-Tofete, esemfuleni wakwa-Ben-hinom, ukuze kungabikó mntu umcandisa emlilweni ku-Moleki unyana waké, nokuba yintombí yaké.

11 Wawasusa amahashe abemiselwe ilanga ngokumkani bakwa-Yuda, ekungeneni endlwini ka-Yehova, ngase-kambilini ka-Netan-meleki umbusi, ebingapándle; wazitshisa nenqwelo zelanga ngomlilo.

12 Nezibingelelo ezibe zipézu kopáhla lwegumbí elipézulu lika-Ahazi abazenzayo okumkani bakwa-Yuda, nezibingelelo awazenzayo u-Manase ezintendelezweni zombíni zendlu ka-Yehova, wazidiliza ukumkani, wazikánda kwakóna, walupósa emlanjeni oyi-Kidron utúli lwazo.

13 Nezigánga ezipámbí kwe-Yerusalem, ebezisekunene kwentaba yolonakaliso, awayeté u-Solomon ukumkani wakwa-Sirayeli wazakéla u-Ashetoreti, into enezoté yama-Tsidon, no-Kamoshe into enezoté yama-Mowabi, no-Milikom isikizi lonyana baka-Amon, wazenza inqambí ukumkani.

14 Waziqékeza nezimiso zamatye, wabagaula o-Ashera, wazizalisa indawo zazo ngamatámbó abantu.

15 Kananjalo isibingelelo ebesise-Beteli, isigánga awasenzayo u-Yarobeham unyana ka-Nebati, owawónisayo ama-Sirayeli, esosibingelelo nesosigánga wasidiliza; wasitshisa isigánga, wasicola salutúli; wamtshisa u-Ashera.

16 Wabéka u-Yosiya, wawabona amancwaba abe kóna entabeni, watúmela, wawatábatá amatámbó emancwabeni-lawo, wawatshisela pézu kwesibingelelo, wasenza inqambí ngokwelizwi lika-Yehova, awalimemezayo umfo wakwa-Tíxo, owawamemezayo lamazwi.

17 Watí, Lelanina elalitye litê-nqampu ndilibonayo? Atí kuye amadoda alomzi, Lincwaba lomfo wakwa-Tíxo, owavela kwa-Yuda, wamemeza ezizinto uzenzileyo kwisibingelelo sase-Beteli.

18 Watí, Myekeni; makangashukunyiswa mntu amatámbo aké. Bawasindisake amatámbó aké, namatámbó om-profeti owavela kwa-Samari.

19 Kananjalo zonke izindlu zezigánga, ebezisemizini yakwa-Samari, abazenzayo okumkani bama-Sirayeli ukuba bamqumbíse *u-Yehova*, wazisusa u-Yosiya; wenza kuzo ngokwezenzo zonke awazenzayo e-Beteli.

20 Wababingelela bonke abenzeleleli bezigánga ababe kóna, pézu kwezibingelelo; watshisa amatámbó abantu pézu kwazo. Wabuya-ke weza e-Yerusalem.

21 Ukumkani wabawisela umtétó abantu bonke, watí, Yenzani i-pasika ku-Ye-

Digitized by Google

hova u-Tixo wenu, ngokokubâliweyo encwadini yalomnqopiso.

22 Ngokuba bekungazanga kwenziwe pasika ngokwale-pasika, kususela kwimihla yabalauli ababelaula ama-Sirayeli, nangemihla yonke yokumkani bakwa-Sirayeli, nokumkani bakwa-Yuda.

23 Kwaba ngomnyaka weshumi elinesibôzo wokumkani u-Yosiya ukwenziwa kwale-pasika ku-Yehova e-Yerusalem.

24 Kananjalo-ke abaneshologu, nosiyazi, nemilonde-kâya, nezigodo ezizizitixo, nento zonke ezinezotê, ezibe zibonwa ezweni lakwa-Yuda nase-Yerusalem, wazitshayela u-Yosiya, ukuze amise amazwi omyalelo abâliweyo encwadini abeyifumene u-Hilekiya umenzeleleli endlwini ka-Yehova.

25 Ngapâmbîli kwakê akubangakô kumkani unjengaye, ubuyeleyo ku-Yehova ngentliziyo yakê yonke, nangompêfumlo wakê wonke, nangamandla akê onke, ngokomyalelo wonke ka-Moses; nangasemva kwakê akuvelanga unjengaye.

26 Akabuyanga noko u-Yehova ekuvutêni komsindo wakê omkûlu, umsindo wakê owavutâ kuma-Yuda, ngenxa yokuqumbîsa konke abequmbîse ngako u-Manase.

27 Watî u-Yehova, Ndiya kuwasusa nama-Yuda ebusweni bam, njengokuba ndawasusayo ama-Sirayeli, ndiwulahle lomzi ndawunyulayo, i-Yerusalem-le, nendlu le ndatî, iya kuba kuyo igama lam.

28 Ezinye izinto zika-Yosiya, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

29 Ngemihla yakê wenyuka u-Faro-neko ukumkani wase-Yiputa, waya kulwa nokumkani wakwa-Asuri, emlanjeni ongum-Efrati. Wahambâ ukumkani u-Yosiya, waya kumhlangabeza; wambulâla e-Megido, akumbona.

30 Bamtwâla ngenqwelo abakônzi bakê, efele e-Megido, bamsa e-Yerusalem, bamncwâbela encwâbeni lakê. Abantu belizwe batâbatâ u-Yehowahazi unyana ka-Yosiya, bamtâmbîsa, bamenza ukumkani esikûndleni sikayise.

31 U-Yehowahazi ube minyaka imashumi mabini anamitâtû ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; zabantatû inyanga engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Hamutali intombî ka-Yeremiya wase-Libena.

32 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengako konke abakwenzayo oyise.

33 U-Faro-neko wamkônxa e-Ribela ezweni lase-Hamati, ukuze angabi ngukumkani e-Yerusalem. Ilizwe walihlahlisa ikûlu le-talente ze-silvere, ne-talente yegolide.

34 U-Faro-neko wamenza ukumkani u-Eliyakim unyana ka-Yosiya esikûndleni sika-Yosiya uyise, waliguqula igama lakê langu-Yehoyakim. Ke wamtâbatâ u-Yehowahazi, weza naye e-Yiputa; wafela kôna.

35 U-Yehoyakim wayinika u-Faro i-silvere leyo-ne-golide-leyo; kodwa-ke walihlahlisa ilizwe ukuba anike imali ngokomlomo ka-Faro, elowo ngokuhlahliswa kwakê; wabaqûba abantu belizwe, ukuba bayifole i-silvere ne-golide, ukuba ayinike u-Faro-neko.

36 U-Yehoyakim ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi linamnye engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Zebuda intombî ka-Pedaya wase-Ruma.

37 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengako konke abakwenzayo oyise.

24 Ngemihla yakê kwenyuka u-Nebukadenetsare ukumkani we-Babeli; u-Yehoyakim waba ngumkônzi kuye iminyaka emitâtû, wabuya wagwilika kuye.

2 U-Yehova wamtûmela izimpi zama-Kaledi, nezimpi zama-Aram, nezimpi zakwa-Mowâbi, nezimpi zonyana baka-Amon, wazitûmela elakwa-Yuda, ukuba zilitshabalalise ngokwelizwi lika-Yehova, awalitêtâyo ngabakônzi bakê aba-profeti.

3 Kwakungomlomo ka-Yehova wodwa ukwenzeka kwalento kuma-Yuda, ukuba awasuse ebusweni bakê ngenxa yezono zika-Manase, njengako konke awakwenzayo;

4 Nangenxa yegazi elinge natyala awalipâlazayo; wayizalisa i-Yerusalem ngegazi elinge natyala; angavumanga u-Yehova ukuxolela.

5 Ezinye izinto zika-Yoyakim, nako konke awakwenzayo, azibâlwanga-na encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bakwa-Yuda?

6 Walâla u-Yoyakim koyise; U-Yeho-

Digitized by Google

yakin unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

7 Akabanga sapînda ukumkani wase-Yiputa apûme ezweni lakê; ngokuba ukumkani wase-Babeli wayezitîmbîle zonke izinto ezizezokumkani wase-Yiputa, eqalele emlanjeni wase-Yiputa, wada wesa emlanjeni ongum-Frati.

8 U-Yehoyakin ube minyaka ilishumi elinesibôzo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; zantatû inyanga engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Nehushta intombî ka-Elinatan wase-Yerusalem.

9 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova njengako konke awakwenzayo uyise.

10 Ngeloxesha benyuka abakônzi baka-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli beza e-Yerusalem; wangqingwa umzi-lowo.

11 Wawufikela u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, bewungqingile abakônzi bakê.

12 Wapûma u-Yehoyakin ukumkani wakwa-Yuda, waya kukumkani wase-Babeli, yena nonina, nabakônzi bakê, nabatêteli bakê, nababusi bakê; ukumkani wase-Babeli wamtâbatâ-ke ngonyaka wesibôzo wobukumkani bakê.

13 Wafola kôna bonke ubuncwane bendlu ka-Yehova, nobuncwane bendlu yokumkani; wazinqunqa zonke impahla zegolide, awazenzayo u-Solomon ukumkani wakwa-Sirayeli e-tempileni ka-Yehova, njengoko wakutêtâyo u-Yehova.

14 Wayifudusa yonke i-Yerusalem, nabatêtêli bonke, namagofa onke anobuhoti, ishumi lamawaka abatînjwa, zonke incibi nabakândi; akwasala muntu, yangamahlwempu elizwe odwa asalayo.

15 Wamfudusa u-Yoyakin, wamsa e-Babeli, nonina wokumkani, nabafazi bokumkani, nababusi bakê, nenjengele zelizwe, wabafudusa e-Yerusalem abatînjwa-abo, wabasa e-Babeli;

16 Namadoda onke anobuhoti angamawaka asixênxe, nencibi nabakândi aba liwaka, onke amagofa anokulwa; abo ukumkani wase-Babeli wabasa bengabatînjwa e-Babeli.

17 Ukumkani wase-Babeli wamenza u-Mataniya uyisekazi *ka-Yehoyakin* ukumkani esikûndleni sakê; waliguqula igama lake langu-Tsedekiya.

18 U-Tsedekiya ube minyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Hamutali intombî ka-Yeremiya wase-Libena.

19 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Yehoyakim.

20 Ngokuba ngenxa yomsindo ka-Yehova kwenzeka oko e-Yerusalem nakwa-Yuda, wada wabalahla ebusweni bakê. U-Tsedekiya waman'egwilika ukumkani wase-Babeli.

25 Kwatî ngonyaka wesitôba wobukumkani bakê, ngenyanga yeshumi, ngosuku lweshumi enyangeni-leyo, wayifikela i-Yerusalem u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli; yena nempi yakê yonke wayihaula; waka inqaba zokubonisela ngenxa zonke.

2 Wangqingwa-ke umzi kwada kwangunyaka weshumi elinamnye wokumkani u-Tsedekiya.

3 Ngosuku lwesitôba lwenyanga *yesine* yaqina indlala pâkatî komzi; ababi nasonka abantu belizwe.

4 Wagqojozwa umzi, asaba onke amadoda okulwa ngobusuku, ngendlela yesango elipâkatî kwendonga zombîni, elisemyezweni wokumkani, (aye ama-Kaledi ewujikelezile umzi;) wahambâ *ukumkani* ngendlela yase-Araba.

5 Impi yama-Kaledi yamsukela ukumkani, yamfikela ezinqantosini zase-Yeriko, yampâlala yemka kuye yonke impi yakê.

6 Ambambâ ukumkani, anyuka naye, amsa kukumkani wase-Babeli e-Ribela; latêtwa apô ityala lakê.

7 Abasika onyana baka-Tsedekiya ekângele; amtîyapâza amehlo u-Tsedekiya, amkônxa ngamakâmandela obêdu, amsa e-Babeli.

8 Ngenyanga yesihlanu, ngosuku lwesixênxe enyangeni-leyo, (lonyaka-ke ngoweshumi elinesitôba engukumkani u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli,) kwafika u-Nebuzaradan umtêteli wabasiki babantu umkônzi wokumkani wase-Babeli, e-Yerusalem;

9 Wayitshisa indlu ka-Yehova, nendlu kakumkani, nezindlu zonke zase-Yerusa-

Digitized by Google

lem; izindlu zonke ezinkulu wazitshisa ngomlilo.

10 Indonga zase-Yerusalem yazidiliza ngenxa zonke, impi-leyo yama-Kaledi e-binomtêtêli wabasiki babantu.

11 Amasalela abantu ababesele pâkatî komzi namapâmbâ awayepâmbele kukumkani wase-Babeli, namasalela engxokolo, wawafudusa u-Nebuzaradan umtêtêli wabasiki *babantu*.

12 Ke umtêtêli wabasiki *babantu* wawasalisa amahlwempu elizwe, ukuze abe ngabasebenzi bezi-diliya nabalimi.

13 Intsika zobêdu ebezisendlwini ka-Yehova, nenqwelana, nolwandle lobêdu obelusendlwini ka-Yehova, ezonto aziqêkeza ama-Kaledi, alutwalela e-Babeli ubêdu lwazo.

14 Atâbatâ nembîza, nemihlakulwana, nezitshetshe, nenkambâ, nempahla zonke zobêdu ebekulungiselelwa ngazo.

15 Umtêtêli wabasiki babantu watâbatâ nezi-kotile, zitya zokutshiza, i-golide kweze-golide, i-silvere kweze-silvere;

16 Nentsika zombîni, ulwandle olunye, nenqwelana, awazenzela indlu ka-Yehova u-Solomon; alwabi nakulinganiswa ubêdu lwezompahla zonke.

17 Ukupâkama kwenye intsika bekuzi-kubite ezilishumi elinesibôzo, inqûkuva yayo ibiyeyobêdu; ukupâkama kwenqûkuva bekuzi-kubite ezintâtû; umnatâ nefarnate ezibe zisenqûkuveni ngenxa zonke, yonke lonto yabi lubêdu; intsika yesibini yabi kwanjalo kunye nomnatâ *wayo*.

18 Umtêtêli wabasiki babantu wamtâbatâ u-Seraya umenzeleleli oyintloko, no-Tsefaniya umenzeleleli wolwesibini udidi, nabagcini-mnyango bobatâtû;

19 Kuwo umzi watâbatâ umbusi wamnye, awaye ngumpâtî wamadoda okulwa; namadoda amahlanu kwabehlala nokumkani, awafunyanwayo pâkatî komzi; nombâli womtêtêli womkôsi, obesakuhlanganisa abantu belizwe; namadoda amashumi matandatû kubantu belizwe, awafunyanwayo pâkatî komzi.

20 Wabatâbatâ abo u-Nebuzaradan umtêtêli wabasiki *babantu*, wabasa kukumkani wase-Babeli e-Ribela.

21 Wabaxabela ukumkani wase-Babeli, wababulalela e-Ribela ezweni lase-Hamati. Afuduswa-ke ama-Yuda emhlabeni wawo.

22 Ke abantu abasalayo ezweni lakwa-Yuda awabasalisayo u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, wabamisela umpâti ongu-Gedaliya unyana ka-Ahikam; unyana ka-Shafan.

23 Bakuva-ke bonke abatêtêli bemikôsi, bona namadoda abo, ukuba ukumkani wase-Babeli umenze umpâti u-Gedaliya, beza ku-Gedaliya lowo e-Mitspa; bengo-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, no-Yohanan unyana ka-Kareha, no-Seraya unyana ka-Tanumete wase-Netofa, no-Yahazaniya unyana ka-Mahakati, bona namadoda abo.

24 Wabafungela bona namadoda abo u-Gedaliya, watî kubo, Musan' ukuboyika abakônzi bama-Kaledi; hlalani kwelilizwe, nikônze ukumkani wase-Babeli, konilungela.

25 Kekaloku kwatî ngenyanga yesixênxe, kweza u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, unyana ka-Elishama, wasembêwini yokumkani, enamadoda alishumi, bamxabela u-Gedaliya, wafa; nama-Yuda nama-Kaledi abe naye e-Mitspa.

26 Besuka-ke bonke abantu, betâbatêla komncinane bezisa komkûlu, nabatêtêli bemikôsi, baya e-Yiputa; ngokuba babewoyika ama-Kaledi.

27 Kwatî ngomnyaka wamashumi omatâtû anesixênxe wokufuduswa kuka-Yehoyakin ukumkani wakwa-Yuda, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesixênxe enyangenileyo; u-Evili-merodaki ukumkani wase-Babeli, ngonyaka wokwenziwa kwakê ukumkani, wayipâkamisa intloko ka-Yehoyakin ukumkani wakwa-Yuda, wamkûpâ entolongweni;

28 Watêtâ naye kakuhle, wayimisa itrone yakê, yangapézu kwe-trone yokumkani, ababe naye e-Babeli.

29 Zakûlulwa ingubo zakê zasentolongweni, waman'ukudla isonka pambi kwakê yonke imihla yokupîla kwakê.

30 Wawunikwa umxesho wakê, umxesho wamaxesha onke, uvela kukumkani: into yemini ngangemini yayo, yonke imihla yokupîla kwakê.

Digitized by Google

INCWADI YOKUQALA YEZI-KRONIKE.

ISIQENDU I.

U-ADAM, u-Shete, u-Enoshe,
2 U-Kenan, u-Mahalaleli, u-Yerede,
3 U-Enoki, u-Metushela, u-Lameki,
4 U-Nowa, u-Shem, u-Ham, u-Yafete.

5 Onyana baka-Yafete ngu-Gomere, no-Magogi, no-Madayi, no-Yavan, no-Tubali, no-Mesheki, no-Tirasi.
6 Onyana baka-Gomere ngu-Ashkenazi, no-Rifati, no-Togarma.
7 Onyana baka-Yavan ngu-Elisha no-Tarshishe, ngama-Kiti, nama-Dodan.
8 Onyana baka-Ham ngu-Kushi, no-Mitsrayim, no-Puti, no-Kanan.
9 Onyana baka-Kushi ngu-Seba, no-Havila, no-Sabeta, no-Rama, no-Sabeteka. Onyana baka-Rama ngu-Sheba no-Dedan.
10 U-Kushi wazala u-Nimrodi, yena waqala waba ligoña emhlabeni.
11 U-Mitsrayim wazala ama-Ludi, nama-Anam, nama-Lehabi, nama-Nafetuyi,
12 Nama-Patrusi, nama-Kaseluyi, apô kwapûma kôna ama-Filisti, nama-Kafetori.
13 U-Kanan wazala u-Tsidon owamazibulo kuye, no-Heti,
14 Nama-Yebusi, nama-Amori, nama-Girgashi,
15 Nama-Hivi, nama-Arki, nama-Sini,
16 Nama-Arvadi, nama-Tsemari, nama-Hamati.

17 Onyana baka-Shem ngu-Elam, no-Asuri, no-Arpakishade, no-Ludi, no-Aram, no-Utse, no-Huli, no-Getere, no-Mesheki.
18 U-Arpakishade wazala u-Shela; u-Shela wazala u-Ebere.
19 U-Ebere wazalelwa onyana ababini, igama lomnye ngu-Pelege, ngokuba ngemihla yakê bahlukahluka abemi bomhlaba; igama lomninawe wakê belingu-Yoketan.
20 U-Yoketan wazala u-Alemodadi, no-Shelefe, no-Hatsarmavete, no-Yera,
21 No-Hadoram, no-Uzali, no-Dikela,
22 No-Ebali, no-Abimayeli, no-Sheba,
23 No-Ofire, no-Havila, no-Yobabi. Bonke abo ngonyana baka-Yoketan.

24 U-Shem, u-Arpakishade, u-Shela,
25 U-Ebere, u-Pelege, u-Rehu,
26 U-Serugi, u-Nahore, u-Tera,
27 U-Abram, (ngu-Abraham ke-lowo).
28 Onyana baka-Abraham ngu-Isake no-Ishmayeli.

29 Zizo ezo inzala zabo: Owamazibulo ku-Ishmayeli ngu-Nebayoti, no-Kedare, no-Adebele, no-Mibesam,
30 U-Mishama, no-Duma, u-Masa, u-Hadade no-Tema,
31 U-Yeture, u-Nafishe, no-Kedema. Ngabo abo onyana baka-Ishmayeli.

32 Onyana baka-Ketura ishweshwe lika-Abraham; wazala u-Zimran, no-Yokeshan, no-Medan, no-Midiyan, no-Ishbaki, no-Shuwa. Onyana baka-Yokeshan ngu-Sheba no-Dedan.
33 Onyana baka-Midiyan ngu-Efa, no-Efere, no-Enoki, no-Abida, no-Elidaha. Bonke abo ngonyana baka-Ketura.

34 U-Abraham wazala u-Isake. Onyana baka-Isake ngu-Esau no-Sirayeli.

35 Onyana baka-Esau ngu-Elifazi, no-Rehuweli, no-Yehushe, no-Yalam, no-Kora.
36 Onyana baka-Elifazi ngu-Teman, no-Omare, no-Tsefi, no-Gatam, no-Kenazi, no-Timna, no-Amaleki.
37 Onyana baka-Rehuweli ngo-Nahati, no-Zerah, no-Shama, no-Miza.
38 Onyana baka-Sehire ngu-Lotan, no-Shobali, no-Tsibeyon, no-Ana, no-Dishon, no-Etsare, no-Dishan.
39 Onyana baka-Lotan ngama-Hori, no-Homam; udade bo-Lotan ngu-Timna.

Digitized by Google

40 Onyana baka-Shobali ngu-Aleyan, no-Manahati, no-Ebali, no-Shefi, no-Onam. Onyana baka-Tsibeyon ngu-Aya no-Ana.

41 Onyana baka-Ana ngu-Dishon. Onyana baka-Dishon ngu-Hamran, no-Eshban no-Itran no-Keran.

42 Onyana baka-Etsere ngu-Bilehan no-Zavan no-Yakan. Onyana baka-Dishan ngu-Utse no-Aran.

43 Ngabo abo okumkani ababe laula ezweni lakwa-Edom, kungekabikô kumkani ubelaula onyana baka-Sirayeli: ngu-Bela unyana ka-Behore; igama lomzi wakê liyi-Dinaba.

44 Wafa u-Bela; u-Yobabi unyana ka-Zera wase-Botsera waba ngukumkani esikûndleni sake.

45 Wafa u-Yobabi; u-Husham wasezweni lama-Teman waba ngukumkani esikûndleni sake.

46 Wafa u-Husham; u-Hadade unyana ka-Bedade owaxabela ama-Midiyan emhlabeni wakwa-Mowabi, waba ngukumkani esikûndleni sake; igama lomzi wakô beliyi-Aviti.

47 Wafa u-Hadade; u-Samla wase-Masereka waba ngukumkani esikûndleni sakê.

48 Wafa u-Samla; u-Shaule wase-Rehoboti yom-Lambô waba ngukumkani esikûndleni sake.

49 Wafa u-Shaule; u-Bahali-hanan unyana ka-Akebore waba ngukumkani esikûndleni sake.

50 Wafa u-Bahali-hanan; u-Hadade waba ngukumkani esikûndleni sakê; igama lomzi wakê beliyi-Pahi; igama lomkakê belingu-Mehetabeli intombi ka-Matrede, intombi ka-Mezahabi.

51 Wafa u-Hadade; izikûlu zakwa-Edom zezi; sisikûlu esingu-Timna, isikûlu esingu-Aliya, isikûlu esingu-Yetete,

52 Isikûlu esingu-Aholibama, isikûlu esingu-Ela, isikûlu esingu-Pinon,

53 Isikûlu esingu-Kenazi, isikûlu esingu-Teman, isikûlu esingu-Mibetsare,

54 Isikûlu esingu-Magediyeli, isikûlu esingu-Iram. Zizo ezo izikûlu zakwa-Edom.

2 Ngabo aba onyana baka-Sirayeli: ngu-Ruben, no-Simon, no-Levi, no-Yuda, no-Isakare, no-Zebulon,

2 No-Dan, no-Yosefu, no-Benyamin, no-Nafetali, no-Gadi, no-Ashere.

3 Onyana baka-Yuda ngu-Ere, no-Onan, no-Shela. Abo batâtû wabazalelwa yintombi ka-Shuwa um-Kananekazi. Ke u-Ere, amazibulo ka-Yuda, ebe nobubi emehlweni ka-Yehova; wambulala.

4 U-Tamare umolokazana wakê wamzalela u-Peretse no-Zera. Babonke onyana baka-Yuda bahlanu.

5 Onyana baka-Peretse ngu-Hetseron, no-Hamuli.

6 Onyana baka-Zera ngu-Zimri, no-Etan, no-Heman, no-Kalekole, no-Dara, bebonke bahlanu.

7 Onyana baka-Karmi ngu-Akare owawahlisela ishwangusha ama-Sirayeli, wenza ubumenemene entweni esingelwe pântsi.

8 Onyana baka-Etan ngu-Azariya.

9 Onyana baka-Hetseron awabazalelwayo ngu-Yerameli, no-Ram, no-Kelubayi.

10 U-Ram wazala u-Aminadabi; u-Aminadabi wazala u-Nashon inkulu yonyana baka-Yuda.

11 U-Nashon wazala u-Salima; u-Salima wazala u-Bohazi;

12 U-Bohazi wazala u-Obede; u-Obede wazala u-Isayi;

13 U-Isayi wazala u-Eliyabe amazibulo akê, no-Abinadabi owesibini, no-Shama owesitâtû,

14 No-Nataniyeli owesine, no-Radayi owesihlanu,

15 No-Otsem owesitandatû, no-Davide owesixénxe.

16 Odade babo babengo-Tseruya no-Abigali. Onyana baka-Tseruya ngu-Abishayi, no-Yowabi, no-Asaheli, batâtû.

17 U-Abigali wazala u-Amasa; uyise ka-Amasa ebe ngu-Yetere um-Ishmayeli.

18 U-Kalebi unyana ka-Hetseron wazala ngo-Azuba umkakê nango-Yeriholi. Ngabo aba onyana bakê: u-Yeshere, no-Shobabi, no-Ardoni.

19 Wafa u-Azuba; u-Kalebi wazeka u-Efrata; wamzalela u-Huri.

20 U-Huri wazala u-Uri, u-Uri wazala u-Betsaleli.

21 Emveni koko wayingena u-Hetseron intombi ka-Makire uyise ka-Giliyadi, wayizeka eminyaka imashumi matandatû ezelwe; yamzalela u-Segubi.

Digitized by Google

22 U-Segubi wazala u-Yahire; waye enemizi engamashumi amabini amatâtû ezweni lase-Giliyadi.

23 U-Geshuri no-Aram batâbatâ kubo i-Havoti-yahire, ne-Kenati namagxamesi ayo: imizi engamashumi omatândatû. Bonke aba babe ngonyana baka-Makire uyise ka-Giliyadi.

24 Emva kokufa kuka-Hetseron kwa-Kalebi-yakwa-Efrata, umka-Hetseron u-Abiya wamzalela u-Asuri uyise ozala ama-Tekowa.

25 Onyana baka-Yerameli, amazibulo ka-Hetseron bebe ngo-Ram amazibulo akê, no-Buna, no-Oren, no-Otsem no-Ahiya.

26 U-Yerameli ebe nomnye umfazi, igama lakê belingu-Atara; ube ngunina ka-Onam.

27 Onyana baka-Ram, amazibulo ka Yerameli, bebe ngu-Mahatse, no-Yamin, no Ekere.

28 Onyana baka-Onam bebe ngu-Shamayi, no-Yada. Onyana baka-Shamayi ngu-Nadabi no-Abishure.

29 Igama lomka-Abishure ngu-Abihayili; wamzalela u-Aban, no-Molidi.

30 Onyana baka-Nadabi ngu-Selede no-Apayim; wafa u-Selede engazalanga.

31 Onyana baka-Apayim ngu-Ishi. Onyana baka-Ishi ngu-Sheshan. Onyana baka-Sheshan ngu-Alayi.

32 Onyana baka-Yada, umninawa ka-Shamayi, ngu-Yetere no-Yonatan. Wafa u-Yetere engazalanga.

33 Onyana baka-Yonatan ngu-Pelete no-Zaza. Ngabo abo onyana baka-Yerameli.

34 U-Sheshan ebenge nanyana; ibi zintombi zodwa. U-Sheshan ebe nomkôzi ongum-Yiputa; igama lakê belingu-Yarha.

35 U-Sheshan wamnika u-Yarha umkôzi wakê intombi yakê, ukuba ibe ngumfazi, yamzalela u-Atayi.

36 U-Atayi wazala u-Natan; u-Natan wazala u-Zabadi.

37 U-Zabadi wazala u-Efelali; u-Efelali wazala u-Obede;

38 U-Obede wazala u-Yehu; u-Yehu wazala u-Azariya;

39 U-Azariya wazala u-Heletse; u-Heletse wazala u-Elasa,

40 U-Elasa wazala u-Sisamayi; u-Sisamayi wazala u-Shalum;

41 U-Shalum wazala u-Yekamiya; u-Yekamiya wazala u-Elishama.

42 Onyana baka-Kalebi, umkuluwa ka-Yerameli, ngu-Mesha amazibulo akê, obe nguyise wabase-Zifi, nonyana baka-Maresha uyise ka-Hebron.

43 Onyana baka-Hebron ngu-Kora, no-Tapuwa, no-Rekem, no-Shema.

44 U-Shema wazala u-Raham, uyise ka-Yorkeham; u-Rekem wazala u-Shamayi.

45 Unyana ka-Shamayi ngu-Mahon; u-Mahon nguyise wabase-Bete-tsure.

46 U-Efa, ishweshwe lika-Kalebi, wazala u-Haran, no-Motsa, no-Gazeze; u-Haran wazala u-Gazeze.

47 Onyana baka-Yadayi ngu-Regem, no-Yotam, no-Geshan, no-Pelete, no-Efa, no-Shahafe.

48 U-Mahaka, ishweshwe lika-Kalebi, wazala u-Shebere, no-Tirhana;

49 Wazala no-Shahafe uyise wabase-Madmana, no-Sheva uyise wabase-Makebena, noyise wabase-Gibeha; intombi ka-Kalebi ibingu-Akesa.

50 Ngabo aba onyana baka-Kalebi, ngonyana ka-Huri, amazibulo ka-Efrata; u-Shobali ozala ama-Kiriyati-yeharim;

51 U-Salima uyise wabase-Betelehem, u-Harefe uyise wabase-Bete-gadere.

52 U-Shobali uyise wabase-Kiriyati-yeharim ebe nonyana; u-Harowe no-Hatsihamenukoti.

53 Imizalwane yase-Kiriyati-yeharim, ngama-Itri, nama-Puti, nama-Shumati, nama-Misherayi. Bapuma kuyo abase-Tsorati, nama-Eshtawoli.

54 Onyana baka-Salima ngabase-Betelehem, nabase-Netofa, abase-Ateroti-yendlu ka-Yowabi, nabase-Hazi-hamanati, nabase-Tsora.

55 Imizalwane yababâli, abemi base-Yabetse: ngabase-Tira, ngabase-Shimeha, ngabase-Suka. La ngama-Keni avela ku-Hamati, uyise wabendlu ka-Rekabi.

3 Ngabo aba onyana baka-Davide awabazalelwayo kwa-Hebron: owamazibulo ibingu-Amnon ka-Ahinowam wase-Yizereli; owesibini ngu-Daniyeli ka-Abigali wase-Karmele;

2 Owesitâtû ngu-Abisalom unyana ka-Mahaka, intombi ka-Talemayi ukumkani wase-Geshuri; owesine ngu-Adoniya unyana ka-Hagiti;

Digitized by Google

3 Owesihlanu ngu-Shefatiya ngo-Abitali; owesitândatû ngu-Itram ngo-Egela umkakê.

4 Abo batândatû wabazalelwa kwa-Hebron, waba ngukumkani kôna iminyaka esixénxe nenyanga ezintandatû; waba neminyaka emashumi matâtû anamitâtû engukumkani e-Yerusalem.

5 Ngabo aba awabazalelwayo e-Yerusalem: ngu-Shimeha no-Shobabi no-Natan, no-Solomon, babane ngo-Bateshuwa intombî ka-Amiyeli;

6 Ngu-Ibehare, no-Elishama, no-Elifelete,

7 No-Noga, no-Nefege, no-Yafiya,

8 No-Elishama, no-Eliyada, no-Elifelete, basitôba.

9 Bebonke onyana baka-Davide ngabo abo, bengabalwa onyana bamashweshwe, nodade wabo ibingu-Tamare.

10 Unyana ka-Solomon ibingu-Rehabeham; ngu-Abiya unyana wakê; ngu-Asa unyana wakê; ngu-Yoshafati unyana wakê;

11 Ngu-Yoram unyana wakê; ngu-Ahaziya unyana wakê; ngu-Yowashe unyana wakê;

12 Ngu-Amatsiya unyana wakê; ngu-Azariya unyana wakê; ngu-Yotam unyana wakê;

13 Ngu-Ahazi unyana wakê; ngu-Hezekiya unyana wakê, ngu-Manase unyana wakê;

14 Ngu-Amon unyana wakê; ngu-Yosiya unyana wakê.

15 Onyana baka-Yosiya ngu-Yohanan amazibulo akê, ngu-Yoyakim owesibini, ngu-Tsedekiya owesitâtû, ngu-Shalum owesine.

16 Onyana baka-Yoyakim ngu-Yekoniya unyana wakê; ngu-Tsedekiya unyana wakê.

17 Onyana baka-Yekoniya ngu-Asire, ngu-Shelatiyeli unyana wakê,

18 No-Malekiram, no-Pedaya, no-Shenatsare, no-Yekamiya, no-Hoshama, no-Nedabiya.

19 Onyana baka-Pedaya: ngo-Zerubabeli no-Shimehi. Onyana baka-Zerubabeli ngo-Meshulam, no-Hananiya, beno-Shelomiti udade wabo;

20 No-Hashuba, no-Oheli, no-Berekiya, no-Hasadiya, no-Yushabi-hesede, bahlanu.

21 Onyana baka-Hananiya ngo-Pelatiya no-Yesaya. Onyana baka-Refaya; onyana baka-Arnan; onyana baka-Obadiya; onyana baka-Shekaniya.

22 Onyana baka-Shekaniya ngu-Shemaya; onyana baka-Shemaya ngo-Hatushe, no-Igali, no-Bariya, no-Neyariya, no-Shafati, batândatû.

23 Onyana baka-Neyariya ngo-Eliyohenayi, no-Hezekiya, no-Azerikam, batâtû.

24 Onyana baka-Eliyohenayi ngo-Hodaya, no-Eliyashibi, no-Pelaya, no-Akubi, no-Yohanan, no-Delaya, no-Anani, basixénxe.

4 Onyana baka-Yuda ngu-Peretse, no-Hetseron, no-Karmi, no-Huri, no-Shobali.

2 U-Rehaya unyana ka-Shobali wazala u-Yahati; u-Yahati wazala u-Ahumayi no-Lahadi. Yiyo le imizalwane yabase-Tsora.

3 Yiyo le eyazala ama-Etam: ngu-Yezereli, no-Ishma, no-Idebashe; igama lodade wabo belingu-Hatseleleponi;

4 No-Penuweli ozala ama-Gedore, no-Ezere ozala ama-Husha. Ngabo abo onyana baka-Huri, amazibulo ka-Efrata, ozala ama-Betelehem.

5 U-Ashuri ozala ama-Tekowa ebe nabafazi ababini: u-Hela, no-Nahara.

6 U-Nahara wamzalela u-Ahuzam no-Hefere, nama-Temeni, nama-Hahashtari. Ngabo abo onyana baka-Nahara.

7 Onyana baka-Hela ngu-Tserete, no-Yetsohare, no-Etenan.

8 U-Kotsi wazala u-Anubi, no-Isobeba; nemizalwane ka-Aharele unyana ka-Harum.

9 Kekaloku u-Yabetse ebezukile kunabazalwana bakê. Unina wamtîya igama lokuba ngu-Yabetse, esitî, Ndimzele ngokubulaleka.

10 U-Yabetse wamnqula u-Tîxo wakwa-Sirayeli, watî, Ngamana wandisikelela, wawandisa ummandla wam, isandla sakô saba nam, wanditîntela ebubini, ukuze ndingabulaleki. U-Tîxo wamenzela lonto wayicelayo.

11 U-Kelubi umkuluwa ka-Shuwa wazala u-Mehire onguyise ka-Eshton.

12 U-Eshton wazala indlu ka-Rafa, no-Paseha, no-Tehina, ozala umzi ka-Nahashe. Ngawo lawo amadoda akwa-Reka.

13 Onyana baka-Kenazi: u-Oteniyeli,

Digitized by Google

no-Seraya; onyana baka-Oteniyeli ngo-Hatati.

14 U-Mehonotayi wazala u-Ofera; u-Seraya wazala u-Yowabi ozala abomfula wencîbi, ngokuba bebe zincîbi.

15 Onyana baka-Kalebi unyana ka-Yefune, ngo-Iru, no-Ela, no-Naham. Onyana baka-Ela; nabaka-Kenazi.

16 Onyana baka-Yehaleleli ngo-Zifi no-Zifa, ngo-Tireya no-Asareli.

17 Onyana baka-Ezera ngu-Yetere, no-Merede, no-Efere, no-Yalon. Wazala u-Miryam, no-Shamayi, no-Ishba ozala ama-Eshtemowa.

18 Umkakê u-Yehudiya wazala u-Yerede ozala ama-Gedore, no-Hebere ozala ama-Soko, no-Yekutiyeli ozala ama-Zanowa. Ngabo abo onyana baka-Bitya intombî ka-Faro, awayizekayo u-Merede.

19 Onyana bomkakê u-Hodiya, udade bo-Naham, ozala ama-Kehila um-Garmi, nozala ama-Eshtemowa um-Mahaka.

20 Onyana baka-Shimon ngo-Amnon no-Rina, ngo-Ben-hanan no-Tilon. Onyana baka-Ishi ngo-Sohete no-Ben-zohete.

21 Onyana baka-Shela unyana ka-Yuda ngo-Ere ozala ama-Leka, no-Lada ozala ama-Maresha, nemizalwane yendlu yabasebenza i-linen ecikizekileyo, yendlu ka-Ashbeya;

22 No-Yokim namadoda ase-Kozeba, no-Yowashe no-Sarafe ababazizikûlu kwa-Mowabi, no-Yashubi-lehem. Ke ezonto zezakudala.

23 Ngabo abo ababumbî nabemi base-Netayim ne-Gedera, bahlala kôna nokumkani emsebenzini wakê.

24 Onyana baka-Simon ngu-Nemuweli, no-Yamin, no-Yaribi, ngu-Zera no-Shaule,

25 Ngu-Shalum unyana wakê; ngu-Mibesam unyana wakê; ngu-Mishma unyana wakê.

26 Onyana baka-Mishma ngu-Hamuweli unyana wakê; ngu-Zakure unyana wakê; ngu-Shimehi unyana wakê.

27 U-Shimehi ube nonyana abalishumi elinabatândatû nentombî ezintandatû; ababazalwana bakê ababanga nabantwana baninzi; wonke umzalwane wabo awandanga njengonyana baka-Yuda.

28 Bahlala e-Ber-sheba nase-Molada, nase-Hatsare-shuwali,

29 Nase-Bileha, nase-Etsem, nase-Toladi,

30 Nase-Betuweli, nase-Horma, nase-Tsikelage,

31 Nase-Bete-markaboti, nase-Hatsar-susim, nase-Bete-biri, nase-Shaharayim. Yabi yiyo leyo imizi yabo, wada u-Davide waba ngukumkani.

32 Ne-lali zabo yi-Etam ne-Ayin, yi-Rimon ne-Token ne-Ashan: imizi emihlanu.

33 Nelali zonke ebeziyipâhlile lomizi kwesa kwa-Bahali. Zizo ezo indawo zokuhlala kwabo, benokubâlelwa emilibeni yokuzalwa kwabo.

34 U-Meshobabi, no-Yamleki, no-Yosha unyana ka-Amatsiya,

35 No-Yoweli, no-Yehu unyana ka-Yoshibiya, unyana ka-Seraya, unyana ka-Asiyeli,

36 No-Eliyohenayi, no-Yahakoba no-Yeshohaya, no-Asaya, no-Adiyeli, no-Yesimiyeli, no-Benaya;

37 No-Ziza unyana ka-Shifi, unyana ka-Alon, unyana ka-Yedaya, unyana ka-Shimri, unyana ka-Shemaya;

38 Abo bakânkanyiweyo ngamagama bebe zizikûlu emizalwaneni yabo. Izindlu zoyise zanaba kunene.

39 Baya entshonalanga kwe-Gedore, bezisa empumalanga komfula, bezifuncla impahla zabo ezimfutshane utyani.

40 Bafumana utyani bukûlile bubuhle; ilizwe libanzi ngenxa zombini, lizolile, lonwabile; ngokuba abaka-Ham bebemi kôna kudala.

41 Beza abo babâliweyo amagama ngemihla ka-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, bazixâxa in-tente zabo, bawasingela pantsi nama-Mehun abawafumana kôna, unanamhla; bahlala ezikûndleni zabo; ngokuba bekukô utyani bempahla yabo emfutshane kôna.

42 Kwapûma kubo, konyana baka-Simon abo, kwaya entabeni yase-Sehire amadoda angamakûlu amahlanu, epêtwe ngo-Pelatiya, no-Nehariya, no-Refaya, no-Uziyeli onyana baka-Ishi.

43 Baxabela amaqongqolo ama-Amaleki abesindile; bahlala kôna unanamhla.

5 Onyana baka-Ruben, amazibulo ka-Sirayeli (ngokuba ibi nguye owamazibulo, ke ngokuwuhlambela kwakê umandlalo kayise, ubuzibulo bakê banikwa onyana baka-Yosefu unyana ka-Sirayeli, a-

Digitized by Google

kabi nakubâlwa emilibeni yokuzalwa ukuba ngowamazibulo;

2 Ngokuba u-Yuda waba ligofa pâkati kwabazalwana bakè, yapûma kuye ingănga; ke bona ubuzibula bebubobuka-Yosefu);

3 Onyana baka-Ruben, amazibulo ka-Sirayeli, ngu-Enoki, no-Falu, ngu-Hetseron no-Karmi.

4 Onyana baka-Yoweli ngu-Shemaya unyana wakè, ngu-Gogi unyana wakè, ngu-Shimehi unyana wakè,

5 Ngu-Mika unyana wakè, ngu-Rehaya unyana wakè, ngu-Bahali unyana wakè,

6 Ngu-Behera unyana wakè owafuduswa ngu-Tigelate-pilenezere ukumkani wakwa-Asuri; nguye obe sikûlu sama-Ruben.

7 Abazalwana bakè elowo ngokwenizalwane yakè, ekubâlweni emilibeni yokuzalwa ngokwenzala zabo, intloko ibingo-Yehiyeli no-Zekariya,

8 No-Bela unyana ka-Azazi, unyana ka-Shema, unyana ka-Yoweli, obehleli e-Arohere, wesa e-Nebo nase-Bahali-mehon;

9 Wahlala ngasempumalanga, wesa entlango etâbatèla emlanjeni ongum-Frati; ngokuba imfuyo yabo yayandile ezweni lase-Giliyadi.

10 Ngemihla ka-Saule benza imfazwe nama-Hagari; awela esandleni sabo. Bahlala ezin-tenteni zawo, ngecala lasempumalanga lonke lase-Giliyadi.

11 Kekaloku onyana baka-Gadi bahlala malungana nabo ezweni lase-Bashan, besa e-Saleka:

12 Ngu-Yoweli intloko, no-Shafam onganeno, no-Yanayi, no-Shafati e-Bashan.

13 Nabazalwana babo bendlu yoyise ngo-Mikayeli, no Meshulam, no-Sheba, no-Yoravi, no-Yakan, no-Ziya, no-Ebere, basixènxe abo.

14 Ngabo aba onyana baka-Abihayili unyana ka-Huri, unyana ka-Yarowa, unyana ka-Giliyadi, unyana ka-Mikayeli, unyana ka-Yeshishayi, unyana ka-Yado, unyana ka-Buzi.

15 U-Ahi unyana ka-Abediyeli, unyana ka-Guni, intloko yendlu yoyise.

16 Bahlala e-Giliyadi nase-Bashan, nasemagxanesini ayo, nasemadlelweni onke ase-Sharon, kwesa ekupèleni kwawo.

17 Bonke abo babâlwa emilibeni yokuzalwa ngemihla ka-Yotam ukumkani wakwa-Yuda, nangemihla ka-Yarobeham ukumkani wakwa-Sirayeli.

18 Onyana baka-Ruben nama-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, kumaroti, amadoda anokupâtâ ingweletshetshe, nefele, nokugoba isapèta, afundiswe ukulwa, ngamashumi amane anesine amawaka, amamakûlu asixènxe, anamanci amatândatû abepûma umkósi.

19 Benza imfazwe nama-Hagari, no-Yeture, no-Nafishe, no-Nodabi.

20 Bancediswa kuwo; ama-Hagari amkelwa esandleni sabo, nabo bonke abebe nawo. Ngokuba balila ku-Tixo ekulweni, watândazeka ngabo; ngokuba babekôlose ngaye.

21 Bayitimba imfuyo yawo, in-kamela zawo amashumi omahlanu amawaka, nempahl' emfutshane amakûlu omabini anamanci mahlanu amawaka, nama-esile amawaka amabini, abantu belikûlu lamawaka.

22 Ngokuba kwawa babaninzi ababuleweyo; ngokuba yayipûma ku-Tixo imfazwe leyo. Bahlala ezikûndleni zabo bada batinjwa.

23 Kekaloku onyana besiqingatâ sesizwe sakwa-Manase bahlala kwelozwe: batâbatèla e-Bashan, besa e-Bahali-hermon, nase-Senire, nasetabeni ye-Hermon ukuba baninzi kwabo.

24 Zizo ezi intloko zezindlu zoyise: no-Efere, no-Ishi, no-Eliyeli, no-Azeriyeli, no-Yeremiya, no-Hodaviya, no-Yadiyeli amadoda angamagofa anoburoti, amadoda anegama, intloko zezindlu zoyise.

25 Bameneza ku-Tixo woyise, bahenyuza ngokulandela otixo bezizwe zelozwe, awazitshabalalisayo u-Tixo pâmbi kwabo.

26 U-Tixo ka-Sirayeli wawuxôkonxa umoya ka-Puli ukumkani wakwa-Asuri, nomoya ka-Tigelate-pilenezere ukumkani wakwa-Asuri, wawafudusa ama-Ruben, nama-Gadi, nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, wabasa e-Hala, nase-Habore, nase-Hara, nasemlanjeni oyi-Gozan, unanamhla.

6 Onyana baka-Levi ngu-Gershon, no-Kehati, no-Merari.

2 Onyana baka-Kehati ngu-Amram, no-Itsare, no-Hebron, no-Uziyeli.

Digitized by Google

3 Abantwana baka-Amram ngo-Aron, no-Moses, no-Miriyam. Onyana baka-Aron ngo-Nadabi no-Abihu, ngu-Elazare no-Itamare.
4 U-Elazare wazala u-Pinehasi, u-Pinehasi wazala u-Abishuwa;
5 U-Abishuwa wazala u-Buki; u-Buki wazala u-Uzi;
6 U-Uzi wazala u-Zeraya; u-Zeraya wazala u-Merayoti;
7 U-Merayoti wazala u-Amariya; u-Amariya wazala u-Ahitobi;
8 U-Ahitobi wazala u-Tsadoki; u-Tsadoki wazala u-Ahimahatse;
9 U-Ahimahatse wazala u-Azariya; u-Azariya wazala u-Yohanan;
10 U-Yohanan wazala u-Azariya, (yenake ebe ngumenzeleleli endlwini awayakâyo u-Solomon e-Yerusalem);
11 U-Azariya wazala u-Amariya; u-Amariya wazala u-Ahitubi;
12 U-Ahitubi wazala u-Tsadoki; u-Tsadoki wazala u-Shalum;
13 U-Shalum wazala u-Hilekiya; u-Hilekiya wazala u-Azariya;
14 U-Azariya wazala u-Seraya; u-Seraya wazala u-Yotsadaki;
15 U-Yotsadaki wahambâ akuwafudusa u-Yehova ama-Yuda ne-Yerusalem ngo-Nebukadenetsare.

16 Onyana baka-Levi ngu-Gershon, no-Kehati, no-Merari.
17 Ngawo la amagama onyana baka-Gershom: ngu-Libeni no-Shimehi.
18 Onyana baka-Kehati ngu-Amram, no-Itsare, no-Hebron, no-Uziyeli.
19 Onyana baka-Merari ngu-Maheli no-Mushi. Yiyo-ke leyo imizalwane ka-Levi ngokwezindlu zoyise.
20 Ku-Gershom; ngu-Libeni unyana wakê, ngu-Yahati unyana wakê, ngu-Zima unyana wakê,
21 Ngu-Yowa unyana wakê, ngu-Ido unyana wakê, ngu-Zera unyana wakê, ngu-Yehatrayi unyana wakê.
22 Onyana baka-Kehati ngu-Aminadabi unyana wakê, ngu-Kora unyana wakê, ngu-Asire unyana wakê,
23 Ngu-Elikana unyana wakê, no-Ebiyasafu unyana wakê, no-Asire unyana wakê,
24 Ngu-Tahati unyana wakê, ngu-Uriyeli unyana wakê, ngu-Uziya unyana wakê, ngu-Shaule unyana wakê.
25 Onyana baka-Elikana ngu-Amasayi no-Ahimoti.
26 Ku-Elikana, onyana baka-Elikana ngu-Tsofayi unyana wakê, no-Nahati unyana wakê,
27 Ngu-Eliyabi unyana wakê, ngu-Yoram unyana wakê, ngu-Elikana unyana wakê.
28 Onyana baka-Samuweli ngu-Vashni amazibulo akê, no-Abiya.
29 Onyana baka-Merari ngu-Maheli, ngu-Libeni unyana wakê, ngu-Shimehi unyana wakê, ngu-Uza unyana wakê,
30 Ngu-Shimeha unyana wakê, ngu-Hagiya unyana wakê, ngu-Asaya unyana wakê.

31 Abo ngabo wabapâtisayo u-Davide ingoma endlwini ka-Yehova, kususela koko wapûmlayo umkômbê.
32 Balungiselela ngengoma pâmbî kominquba oyin-tente yokuhlangana, wada u-Solomon wayakâ indlu ka-Yehova e-Yerusalem; bema ngokwesiko labo enkonzweni yabo.
33 Aba ngabo bema nonyana babo. Kubo onyana baka-Kehati ngu-Heman imvumi, unyana ka-Yoweli, unyana ka-Shemuweli,
34 Unyana ka-Elikana, unyana ka-Yeroham, unyana ka-Eliyeli, unyana ka-Toha,
35 Unyana ka-Tsufi, unyana ka-Elikana, unyana ka-Mahati, unyana ka-Amasayi,
36 Unyana ka-Elikana, unyana ka-Yoweli, unyana ka-Azariya, unyana ka-Tsefaniya,
37 Unyana ka-Tahati, unyana ka-Asire, unyana ka-Abiyasafu, unyana ka-Kora,
38 Unyana ka-Itsare, unyana ka-Kehati, unyana ka-Levi, unyana ka-Sirayeli.
39 Ke umzalwana wakê u-Asafu wema ngasekunene kwakê. U-Asafu unyana ka-Berekiya, unyana ka-Shimeha,
40 Unyana ka-Mikayeli, unyana ka-Bahaseya; unyana ka-Malekiya,
41 Unyana ka-Eteni, unyana ka-Zera, unyana ka-Adaya,
42 Unyana ka-Etan, unyana ka-Zima, unyana ka-Shimehi,
43 Unyana ka-Yahati, unyana ka-Gershom, unyana ka-Levi.
44 Abazalwana babo, onyana baka-Merari bema ngasekôhlo. U-Etan unyana

Digitized by Google

ka-Kishi, unyana ka-Abedi, unyana ka-Maluki,
45 Unyana ka-Hashabiya, unyana ka-Amatsiya, unyana ka-Hilekiya,
46 Unyana ka-Amtsi, unyana ka-Bani, unyana ka-Shemere,
47 Unyana ka-Maheli, unyana ka-Mushi, unyana ka-Merari, unyana ka-Levi.
48 Abazalwana babo, aba-Levi, bebemiselwe umsebenzi wonke womnquba wendlu ka-Tixo.

49 Ke u-Aron nonyana bakê babeqûmisela esibingelelweni sedini elinyukayo, nasesibingelelweni sesiqûmiso, bengabomsebenzi wonke wengcwele kangcwele, bacamagushele ama-Sirayeli, ngokoko konke wawisa umtêtô ngako u-Moses umkônzi ka-Tixo.
50 Ngabo aba onyana baka-Aron: ngu-Elazare unyana wakê, ngu-Pinehasi unyana wakê, ngu-Abishuwa unyana wakê;
51 Ngu-Buki unyana wakê, ngu-Uzi unyana wakê, ngu-Zeraya unyana wakê,
52 Ngu-Merayoti unyana wakê, ngu-Amariya unyana wakê; ngu-Ahitubi unyana wakê,
53 Ngu-Tsadoki unyana wakê, ngu-Ahimahatse unyana wakê.

54 Ngawo la amakâya abo ngokwenqlli zabo, emideni yabo, ezonyana baka-Aron, ngokwemizalwane ka-Kehati; ngokuba laba lelabo iqashiso.
55 Babanika owase-Hebron ezweni lakwa-Yuda, namadlelo awo ngenxa zonke;
56 Ke wona amasimi omzi lowo ne-lali zawo bawanika u-Kalebi unyana ka-Yefune.
57 Babanika onyana baka-Aron imizi yokusabela: owase-Hebron, ne-Libena namadlelo ayo, ne-Yatire, ne-Eshtemowa namadlelo ayo.
58 Ne-Hilen namadlelo ayo, ne-Debire namadlelo ayo,
59 Ne-Ashan namadlelo ayo, ne-Beteshemeshe namadlelo ayo;
60 Esizweni sakwa-Benyamin: i-Geba namadlelo ayo, ne-Alemete namadlelo ayo, ne-Anatoti namadlelo ayo. Yonke imizi yabo ngokwemizalwane yabo yabi yimizi elishumi elinamitâtû.
61 Onyana baka-Kehati abaseleyo banikwa emzalwaneni wesizwe *sakwa-Efrayim*, *nasesizweni sakwa-Dan*, *nase*siqingatêni sesizwe sakwa-Manase, ngeqashiso imizi elishumi.
62 Onyana baka-Gershom ngokwemizalwane yabo *banikwa* esizweni sakwa-Isakare, nasesizweni sakwa-Ashere, nasesizweni sakwa-Nafetali, nasesizweni sakwa-Manase e-Bashan, imizi yalishumi elinamitâtû.
63 Onyana baka-Merari ngokwemizalwane yabo *banikwa* esizweni sakwa-Ruben, nasesizweni sakwa-Gadi, nasesizweni sakwa-Zebulon, ngeqashiso imizi elishumi elinamibini.
64 Onyana baka-Sirayeli babanika aba-Levi imizi namadlelo ayo.
65 Babanika ngeqashiso esizweni sonyana baka-Yuda, nasesizweni sonyana baka-Simon, nasesizweni sonyana baka-Benyamin, yona lemizi ibiziweyo ngamagama ayo.
66 Ke, emizalwaneni yonyana baka-Kehati kwabakô imizi yemida yabo esizweni sakwa-Efrayim.
67 Babanika imizi yokusabela: owakwa-Shekem namadlelo awo ezintabeni zakwa-Efrayim, ne-Gezere namadlelo ayo,
68 Ne-Yokemeham namadlelo ayo, ne-Bete-horon namadlelo ayo;
69 Ne-Ayalon namadlelo ayo, ne-Gatirimon namadlelo ayo;
70 Nasesiqingatêni sesizwe sakwa-Manase: i-Anere namadlelo ayo, ne-Bileham namadlelo ayo, ngokomzalwane wonyana baka-Kehati abaseleyo.
71 Onyana baka-Gershom *banikwa* emzalwaneni wesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase: i-Golan yase-Bashan namadlelo ayo, ne-Ashtaroti namadlelo ayo;
72 Nasesizweni sakwa-Isakare: i-Kedeshe namadlelo ayo, ne-Daberati namadlelo ayo,
73 Ne-Ramoti namadlelo ayo, ne-Anem namadlelo ayo;
74 Nasesizweni sakwa-Ashere: i-Mashale namadlelo ayo, ne-Abedon namadlelo ayo,
75 Ne-Hukoki namadlelo ayo, ne-Rehobi namadlelo ayo;
76 Nasesizweni sakwa-Nafetali: i-Kedeshe yase-Galili namadlelo ayo, ne-Hamon namadlelo ayo, ne-Kiriyatayim namadlelo ayo.
77 Abaseleyo kuma-Levi konyana baka-Merari *banikwa* esizweni sakwa-Zebu-

Digitized by Google

lon: i-Rimono namadlelo ayo, ne-Tabore namadlelo ayo;
78 Napesheya kwe-Yordan ngase-Yeriko, ngasempumalanga kwe-Yordan esizweni sakwa-Ruben: i-Betsere esentlango namadlelo ayo, ne-Yatsa namadlelo ayo,
79 Ne-Kedemoti namadlelo ayo, ne-Mefahata namadlelo ayo;
80 Nasesizweni sakwa-Gadi: i-Ramoti yase-Giliyadi namadlelo ayo, ne-Mahanayim namadlelo ayo,
81 Ne-Heshbon namadlelo ayo, ne-Yazere namadlelo ayo.

7 Onyana baka-Isakare ngu-Tola, no-Puwa, no-Yashubi, no-Shimrom, bebe bane.
2 Onyana baka-Tola ngu-Uzi, no-Refaya, no-Yeriyeli, no-Yamayi, no-Ibesam, no-Samuweli, intloko zezindlu zoyise zika-Tola; amagoƒa anobuŕoti ngokwenzala zawo. Inani lawo ngemihla ka-Davide laba ngamashumi amabini anamabini amawaka, anamakulu amatandatu.
3 Onyana baka-Uzi ngu-Izerahiya. No-nyana baka-Izerahiya ngu-Mikayeli, no-Obadiya, no-Yoweli, no-Ishiya; bebe bahlanu, bezintloko bonke.
4 Ndawo-nye nabo ngokwenzala zabo, ngokwezindlu zoyise, kwakukô izimpi zomkôsi wokulwa, amashumi amatâtû anamatandatû amawaka; ngokuba bebe nabafazi nonyana abaninzi.
5 Abazalwana babo, ngokwemizalwane yonke yakwa-Isakare, bebe ngamagoƒa anobuŕoti angamashumi asibôzo anesixênxe amawaka, ukubâlwa kwabo emilibeni yabo yokuzalwa bebonke.

6 *Onyana* baka-Benyamin ngu-Bela, no-Bekere, no-Yedihayeli; bebe batâtû.
7 Onyana baka-Bela ngu-Etsebon, no-Uzi, no-Uziyeli, no-Yerimoti, no-Iri; bebe bahlanu, intloko zezindlu zoyise, amagoƒa anobuŕoti; ngokubâlwa kwabo emilibeni yokuzalwa babe ngamashumi amabini anamabini amawaka, anamanci matâtû anesine.
8 Onyana baka-Bekere ngu-Zemira, no-Yowashe, no-Eliyezere, no-Eliyohenayi, no-Omri, no-Yeremoti, no-Abiya, no-Anatoti, no-Alamete; bonke abo ngonyana baka-Bekere;
9 Ngokubâlwa kwabo emilibeni yokuzalwa ngokwenzala zabo zentloko zezindlu zoyise, amagoƒa anobuŕoti, bebe ngamashumi amabini amawaka, anamakulu amabini.
10 Onyana baka-Yedihayeli ngu-Bilehan. Onyana baka-Bilehan ngu-Yehushe, no-Benyamin, no-Ehudi, no-Kenahana, no-Zetan, no-Tarshishe, no-Ahishahare.
11 Bonke abo bebe ngonyana baka-Yedihayeli, ngokwentloko *zezindlu* zoyise, amagoƒa anobuŕoti, alishumi elinesixênxe amawaka, anamakûlu mabini, apûma umkôsi aye kulwa.
12 O-Shupim no-Hupim ngonyana baka-Ire, o-Hushim ngonyana baka-Ahere.

13 Onyana baka-Nafetali ngu-Yatsiyeli no-Guni, no-Yetsere, no-Shalum, onyana baka-Biliha.

14 Onyana baka-Manase ngu-Asheriyeli, awamzalelwayo. Ishweshwe lakê um-Aramikazi lazala u-Makire uyise ka-Giliyadi.
15 U-Makire wazeka udade bo-Huppim no-Shupim, igama lodade wabo belingu-Mahaka; igama lowesibini belingu-Tselofehadi; ke u-Tselofehadi ube nentombî.
16 U-Mahaka umka-Makire wazala unyana, watî igama lakê ngu-Pereshe; igama lomninawa wakê belingu-Shereshe; onyana bakê ngu-Ulam no-Rekem.
17 Onyana baka-Ulam ngu-Bedan. Ngabo abo onyana baka-Giliyadi unyana ka-Makire, unyana ka-Manase.
18 Udade wabo u-Hamolekete wazala u-Ishodi, no-Abiyezere, no-Mahala.
19 Onyana baka-Shemida bebe ngo-Ahiyan, no-Shekem, no-Liki, no-Aniyam.

20 Onyana baka-Efrayim ngu-Shutela, no-Berede unyana wakê, no-Tahati unyana wakê, no-Eliyada unyana wakê, no-Tahati unyana wakê,
21 No-Zabadi unyana wakê, no-Shutela unyana wakê, no-Ezere no-Eladi; ababulalayo abantu bakwa-Gati, ababezalelwe kwelozwe; ngokuba babehle beza kutâbatâ imihlambî yabo.
22 Wenza isijwili u-Efrayim uyise imihla emininzi, beza kumkûza abazalwana bakê.
23 Wamngena umfazi wakê; wakâula, wazala unyana, watî igama lake ngu-Be-

Digitized by Google

riya; ngokuba bekuhle ububi endlwini yakê.

24 Intombi yakê ibingu-Shera; yayakâ i-Bete-horon, eyasezantsi neyasentla ne-Uzenshera.

25 U-Refa ebe ngunyana wakê, no-Reshefe; u-Tela ngunyana wakê, no-Tahan unyana wakê,

26 U-Ladan unyana wake, u-Amihudi unyana wakê, u-Elishama unyana wakê,

27 U-Nun unyana wakê, u-Yoshuwa unyana wakê.

28 Kekaloku ilifa labo namakâya abo yi-Beteli namagxamesi ayo; ngasempumalanga yi-Naharan; ngasentshonalanga yi-Gezere namagxamesi ayo, nowakwa-Shekem namagxamesi awo, kwesa e-Gaza namagxamesi ayo.

29 Esezandleni zonyana baka-Manase yi-Bete-shehan namagxamesi ayo, yi-Tahanaki namagxamesi ayo, yi-Megido namagxamesi ayo, yi-Dore namagxamesi ayo. Kulapo kwakumi onyana baka-Yosefu unyana ka-Sirayeli.

30 Onyana baka-Ashere ngu-Imna, no-Ishwa, no-Ishevi, no-Beriya, no-Sera udade wabo.

31 Onyana baka-Beriya ngu-Hebere, no-Malekiyeli, onguyise ka-Birzaviti.

32 U-Hebere wazala u-Yafelete, no-Shomere, no-Hotam, no-Shuwa udade wabo.

33 Onyana baka-Yafelete ngu-Pasaki no-Bimhali, no-Ashevati. Ngabo abo onyana baka-Yafelete.

34 Onyana baka-Shemere ngu-Ahi, no-Roga, no-Yehuba, no-Aram.

35 Onyana baka-Helem umzalwana wakê ngu-Tsofa, no-Imna, no-Sheleshe, no-Amali.

36 Onyana baka-Tsofa ngu-Suwa, no-Harenefere, no-Shuwali, no-Beri, no-Imra,

37 Ngu-Betsere, no-Hodi, no-Shama, no-Shilesha, no-Itran, no-Behera.

38 Onyana baka-Yetere ngu-Yefune, no-Fisepa, no-Ara.

39 Onyana baka-Ula ngu-Ara, no-Haniyeli, no-Ritsiya.

40 Bonke abo bebe ngonyana baka-Ashere; intloko zezindlu zoyise, amagofa ahleliweyo anobuqoti, intloko zezikûlu. Ukubâlwa kwabo emilibeni yokuzalwa kwasemkôsini ukuba babe ngamadoda a-

ngamashumi omabini anamatândatû amawaka inani lawo.

8 U-Benyamin wazala u-Bela amazibulo akê, no-Ashebele owesibini, no-Ahara owesitâtû,

2 U-Noha owesine, no-Rafa owesihlanu.

3 Onyana baka-Bela bebe ngo-Adare, no-Gera, no-Abihudi,

4 No-Abishuwa, no-Nahaman, no-Ahowa,

5 No-Gera, no-Shefufan, no-Huram.

6 Ngabo abo onyana baka-Ehudi, abo bazintloko zezindlu zoyise zabemi base-Geba, babafudusela e-Manahati:

7 Ngu-Nahaman, no-Ahiya, no-Gera, owabafudusayo; *u-Ehudi* wazala u-Uza no-Ahihudi.

8 U-Shaharayim wazala emhlabeni wakwa-Mowabi, emveni kokubandlulula kwakê u-Hushim no-Bahara abafazi bakê;

9 Wazala ngo-Hodeshe umkakê: u-Yobabi, no-Tsibeya, no-Mesha, no-Malekom,

10 No-Yehutse, no-Shakiya, no-Mirma. Ngabo abo onyana bakê, intloko zezindlu zoyise.

11 Ngo-Hushim wazala u-Abitubi no-Elipahali.

12 Onyana baka-Elipahali; ngu-Ebere, no-Misham, no-Shomere, owayakâyo i-Ono ne-Lodi namagxamesi ayo.

13 Ngu-Beriya no-Shema abazintloko zezindlu zoyise zabemi base-Ayalon, abagxotâ abemi base-Gati.

14 Ahiyo, no-Shashaki, no-Yeremoti,

15 No-Zebadiya, no-Aradi, no-Adere,

16 No-Mikayeli, no-Ishpa, no-Yoha, babe ngonyana baka-Beriya.

17 O-Zebadiya, no-Meshulam, no-Hizeki, no-Hebere,

18 No-Ishmerayi, no-Yeziliya, no-Yobabi babe ngonyana baka-Elepahali.

19 O-Yakim, no-Zikri, no-Zabedi,

20 No-Elihenayi, no-Tsiletayi, no-Eliyeli,

21 No-Adaya, no-Beraya, no-Shimrati babe ngonyana baka-Shimehi.

22 O-Ishpan, no-Ebere, no-Eliyeli,

23 No-Abedon, no-Zikri, no-Hanan,

24 No-Hananiya, no-Elam, no-Antotiya,

25 No-Ifediya, no-Penuweli babe ngonyana baka-Shashaki.

26 O-Shamesherayi, no-Shehariya, no-Ataliya,

Digitized by Google

27 No-Yareshiya, no-Eliya, no-Zikri babe ngonyana baka-Yeroham.
28 Zizo ezo intloko zezindlu zoyise ngokwenzala zazo; zintloko-ke ezo; ezo zahlala e-Yerusalem.
29 E-Gibeyon kwahlala ozala ama-Gibeyon, *u-Yehiyeli;* igama lomkakê belingu-Mahaka.
30 Ngu-Abedon unyana wakê wamazibulo, no-Tsure, no-Kishe, no-Bahali, no-Nadabi,
31 No-Gedore, no-Ahiyo, no-Zekere.
32 U-Mikeloti wazala u-Shimeha. Nabo bahlala e-Yerusalem nabazalwana babo malungana nabazalwana babo.
33 U-Nere wzala u-Kishe; u-Kishe wazala u-Saule; u-Saule wazala u-Yonatan, no-Malekishuwa, no-Abinadabi, no-Eshbahali.
34 Unyana ka-Yonatan ngu-Meribi-bahali; u-Meribi-bahali wazala u-Mika.
35 Onyana baka-Mika ngu-Piton, no-Meleki, no-Tareya, no-Ahazi.
36 U-Ahazi wazala u-Yehowada; u-Yehowada wazala u-Alemete, no-Azemavete, no-Zimri; u-Zimri wazala u-Motsa;
37 U-Motsa wazala u-Bineha. Ngu-Rafa unyana wakê, ngu-Elehasa unyana wakê, ngu-Atsele unyana wakê.
38 U-Atsèle ebe nonyana abatåndatû; ngawo la amagama abo: ngu-Azerikam, ngu-Bokeru, no-Ishmayeli, no-Shehariya, no-Obadiya, no-Hanan. Bonke abo bebe ngonyana baka-Atsele.
39 Onyana baka-Esheki umzalwana wakê ngu-Ulam amazibulo akê, ngu-Yehushe owesibini, ngu-Elifelete owesitâtû.
40 Onyana baka-Ulam bebe ngamadoda angamagofa anobuŕoti, abagoba isapêta; bebe nonyâna abaninzi, nonyana bonyana ikûlu elinamanci mahlanu. Bonke abo babe ngabonyana baka-Benyamin.

9 Onke-ke ama-Sirayeli abâlwa emilibeni yokuzalwa: nango-ke ebâliwe enewadini yokumkani bakwa-Sirayeli; ama-Yuda atînjwa asiwa e-Babeli ngenxa yokumeneza kwawo.
2 Abemi bokuqala, abebe semafeni abo emizini yabo, babe ngama-Sirayeli, abenzeleleli naba-Levi nabasebenza e-tempileni.
3 E-Yerusalem kwahlala abonyana baka-Yuda, nabonyana baka-Benyamin, nabonyana bo-Efrayim no-Manase:
4 Ngu-Utayi unyana ka-Amihudi, unyana ka-Omri, unyana ka-Imri, unyana ka-Bani, konyana baka-Peretse unyana ka-Yuda.
5 Nakuma-Shilo: ngu-Azaya amazibulo akê nonyana bakê.
6 Konyana baka-Zera ngu-Yehuweli nabazalwana bakê: amakûlu amatåndatû anamanci asitôba.
7 Konyana baka-Benyamin: ngu-Salu unyana ka-Meshulam, unyana ka-Hodafiya, unyana ka-Hasenuwa,
8 No-Ibeneya unyana ka-Yeroham, no-Ela unyana ka-Uzi, unyana ka-Mikri, no-Meshulam unyana ka-Shefatiya, unyana ka-Rehuweli, unyana ka-Ibeniya;
9 Nabazalwana babo ngokwenzala zabo: amakûlu asitôba anamanci mahlanu anantandatû. Onke lomadoda abe zintloko zezindlu zoyise ezindlwini zoyise.

10 Kubenzeleleli: ngu-Yedaya, no-Yehoyaribi, no-Yakin,
11 No-Azariya unyana ka-Hilekiya, unyana ka-Meshulam, unyana ka-Tsadoki, unyana ka-Merayoti, unyana ka-Ahitubi, ingănga yendlu ka-Tîxo;
12 No-Adaya unyana ka-Yeroham, unyana ka-Pashure; unyana ka-Malekiya; no-Mahasayi unyana ka-Adiyeli, unyana ka-Yazera, unyana ka-Meshulam, unyana ka-Meshilemiti, unyana ka-Imere;
13 Nabazalwana babo, intloko zezindlu zoyise iwaka elinamakûlu asixênxe, anamanci matåndatû amagofa anobuŕoti ekuwusebenzeni umsebenzi wendlu ka-Tîxo.
14 Kuba-Levi: ngu-Shemaya unyana ka-Hashubi, unyana ka-Azerikam, unyana ka-Hashabiya, konyana baka-Merari;
15 Ngu-Bakebakare no-Hereshe, no-Galali; no-Mataniya unyana ka-Mika, unyana ka-Zikri, unyana ka-Asafu;
16 No-Obadiya unyana ka-Shemaya, unyana ka-Galali, unyana ka-Yedutun; no-Berekiya unyana ka-Asa, unyana ka-Elikana obehleli ezilalini zama-Netofa.
17 Abamasango ngu-Shalum, no-Akubi, no-Talemon, no-Ahiman, nabazalwana babo; intloko ingu-Shalum;
18 Kude kwanamhla esesangweni lokumkani empumalanga. Ngabo abo abamasango eminqubeni yonyana baka-Levi.
19 U-Shalum unyana ka-Kore, unyana ka-Ebiyasafu, unyana ka-Kora, nabaza-

Digitized by Google

Iwana bakê ngokwendlu yoyise, ama-Kora, ayepêtê umsebenzi wenkonzo, engabagcini beminyango yen-tente. Noyise bawo bebepêtê iminquba ka-Yehova, begcina isango.

20 U-Pinehasi unyana ka-Elazare waye yingănga yabo ngenx' engapâmbili; u-Yehova waye naye.

21 U-Zekariya unyana ka-Meshelemiya waye ngowesango ekungeneni kwen-tente yokuhlangana.

22 Bonke bepêla behleliwe ukuba babe ngabagcini bamasango bebe ngamakûlu amabini, anashumi-nye linababini. Bona babebâlwe emilibeni yabo yokuzalwa ezilalini zabo. Bona bamiswa ngu-Davide no-Samuweli imboni ngokunyaniseka kwabo.

23 Bona abo nonyana babo bebe semasangweni endlu ka-Yehova, endlu yentente, ngokokugcina.

24 Bebeko abamasango ngamacala omane ngasempumalanga, ngasentshonalanga, ngase-Ntla, nangase-Zantsi.

25 Abazalwana babo elalini zabo bebe ngabokuza ngomhla wesixênxe amaxesha ngamaxesha kunye nabo.

26 Ngokuba aba-Levi-abo, abapâtî abakûlu abane bebebamasango, bebepêtê inkambili nobuncwane bendlu ka-Tixo benyanisile.

27 Ukulala babeyijikeleza indlu ka-Tixo; ngokuba ukugcina bekukokwabo, kunabo ukuyivula imiso ngemiso.

28 Kubo bekukô abapêtê impahla zenkonzo; ngokuba bebezingenisa ngenani, bazikûpe ngenani.

29 Kubo bekukô abamiselwe pêzu kwempahla, napêzu kwempahla yonke engcwele, napêzu komgubo onengiweyo, ne-wayini, neoli, nentlak'emhlope nobulawu.

30 Konyana babenzeleleli bekukô abacola ubuqôlo bobulawu.

31 U-Matitiya omnye wakuba-Levi, obe ngowamazibulo ka-Shalum um-Kora, ubepêtê enyanisekile umsebenzi wokosa nge-pan.

32 Konyana baka-Kehati, kubazalwana babo bekukô abebepêtê izonka eziroziswayo, ukuzilungisa i-sabatâ nge-sabatâ.

33 Zizo ezo imvumi, intloko zezindlu zoyise zaba-Levi, ebezihleli ezin-kambilini zikûlulekile; ngokuba bezipêtê umsebenzi imini nobusuku.

34 Zizo ezo intloko zezindlu zoyise zaba-Levi, zizintloko ngokwenzala zazo, ezo zahlala e-Yerusalem.

35 E-Gibeyon kwakuhleli ozala ama-Gibeyon, u-Yehiyeli; igama lomkakê belingu-Mahaka;

36 Unyana wakê wamazibulo ngu-Abedon, yangu-Tsure, no-Kishe, no-Bahali, no-Nere, no-Nadabi,

37 No-Gedore, no-Ahiyo, no-Zekariya, no-Mikeloti.

38 U-Mikeloti wazala u-Shimeham. Kwanabo bahlala nabazalwana babo e-Yerusalem malunga nabazalwana abo.

39 U-Nere wazala u-Kishe; u-Kishe wazala u-Saule; u-Saule wazala u-Yonatan, no-Malekishuwa, no-Abinadabi, no-Eshbahali.

40 Unyana ka-Yonatan ngu-Meri-bahali; u-Meri-bahali wazala u-Mika.

41 Onyana baka-Mika ngu-Piton, no-Meleki, no-Tareya, *no-Ahazi*.

42 U-Ahazi wazala u-Yara; u-Yara wazala u-Alemete, no-Azemavete, no-Zimri; u-Zimri wazala u-Motsa.

43 U-Motse wazala u-Bineha, no-Refaya unyana wakê, u-Elehasa unyana wakê, u-Atsele unyana wakê.

44 U-Atsele ube nonyana abatândatû; ngawo la amagama abo: ngu-Azerikam, no-Bokeru, no-Ishmayeli, no-Shehariya, no-Obadiya, no-Hanan. Ngabo abo onyana baka-Atsele.

10 Kekaloku ama-Filisti alwa nama-Sirayeli; asaba amadoda akwa-Sirayeli pâmbî kwama-Filisti, awa enxweleriwe ezintabeni zase-Gilibowa.

2 Ama-Filisti atâna-mbêndê no-Saule nonyana bakê. Ama-Filisti ambulala u-Yonatan, no-Aminadabi, no-Malekishuwa, onyana baka-Saule.

3 Yanzima imfazwe ku-Saule. Bamfumana abatoli, watûtûmela ngenxa yabatoli.

4 Watî u-Saule kumpâtî wentonga zakê. R'ola irele lakô, undihlabe ngalo, hleze beze aba bangalukileyo, bafeketê ngam. Akavuma umpâtî wentonga zakê; ngokuba ubesoyika kakûlu, walitâbatâ u-Saule irele, waziwisa pêzu kwalo.

5 Utê umpâtî wentonga zakê, akubon' ukuba ufile u-Saule, waziwisa naye pêzu kwerele lakê, wafa.

Digitized by Google

6 Wafa-ke u-Saule, nonyana bakê abatâtû, nendlu yakê yonke, bafa kunye.
7 Atî onke amadoda akwa-Sirayeli abe sentilini-leyo, akubon' ukuba kusatyiwe, ukuba ufile u-Saule nonyana bakê, ayilahla imizi yawo, asaba; eza-ke ama-Filisti, ahlala kuyo.

8 Kwatî ngengomso, ama-Filisti eza kubûnyula ababuleweyo, amfumana u-Saule nonyana bakê bewile ezintabeni zase-Gilibowa;
9 Ambûnyula, ayisusa intloko yakê nentonga zakê, atûmela ezweni lama-Filisti ngenxa zonke, ukuba aluxele oludaba lumnandi kwizitîxo zabo nasebantwini.
10 Azibeka intonga zakê endlwini yezitîxo zawo, ukakayi lwakê alubetêla endlwini ka-Dagon.
11 Beva bonke abase-Yabeshe yase-Giliyadi konke awakwenzayo ama-Filisti ku-Saule,
12 Esuka onke amadoda anoburoti, asitŵala isidumbû sika-Saule nezidumbû zonyana bakê, azizisa e-Yabeshe. Awancŵaba amatâmbo abo pântsi komkôba e-Yabeshe, azila ukudla imihla yasixênxe.
13 Wafa-ke u-Saule ngokumeneza kwakê, awameneza ngakô ku-Yehova ezwini lika-Yehova, angaligcinanga, kwa nangokubuzisa kwakê koneshologu ngokuquqela kuye,
14 Akaquqela ku-Yehova; wambulalake; wabuguqulela ubukumkani ku-Davide unyana ka-Isayi.

11 Abutêlana-ke onke ama-Sirayeli ku-Davide e-Hebron, atî, Uyabona, silitâmbô lakô, siyinyama yakô;
2 Kwa ngapâmbîli, oko u-Saule ebe ngukumkani, ibi nguwe obupûma ungena nama-Sirayeli; watî u-Yehova u-Tîxo wakô kuwe, Wena uya kubalûsa abantu bam ama-Sirayeli, wena uya kuba yingânga yabantu bam ama-Sirayeli.
3 Afika onke amadoda amakûlu akwa-Sirayeli kukumkani e-Hebron, wenza umnqopiso nawo u-Davide e-Hebron, pâmbî ko-Yehova, amtâmbîsa u-Davide ukuba abe ngukumkani kuma-Sirayeli, ngokwelizwi lika-Yehova ngesandla sika-Samuweli.
4 Wahambâ u-Davide nama-Sirayeli onke, waya e-Yerusalem (yi-Yebusi-ke-leyo), apô abe kôna ama-Yebusi, abemi belozwe.
5 Batî abemi be-Yebusi ku-Davide, Akusokungena apâ. Wayitîmbâ u-Davide imbôniselo ye-Tsiyon (ngumzi ka-Davide-ke-lowo).
6 Watî u-Davide, Owaxabele ama-Yebusi kwasentloko, woba yintloko nomtêtêli. Wenyuka kwasentloko u-Yowabi unyana ka-Tseruya, waba yintloko-ke.
7 U-Davide wahlala embôniselweni apô; ngenxa yoko batî ngumzi ka-Davide.
8 Wawakâ umzi, wajikelezisa ngenxa zonke, watâbatêla e-Milo, wajikelezisa. U-Yowabi wawasindisa amaqongqolo alomzi.
9 U-Davide waya eba mkûlu ngokuba mkûlu, u-Yehova wemikôsi ube naye.

10 Zizo ezi intloko zamagoŧa abe ku-Davide, esomelezana naye ebukumkanini bakê kunye nama-Sirayeli onke, ukuba amenze ukumkani, ngokwelizwi lika-Yehova kuma-Sirayeli.
11 Lilo eli inani lamagoŧa ka-Davide: ngu-Yashobeham unyana ka-Hakimoni, intloko yamaŧa-nankosi. Yena watî-ŧutû intshuntshe yakê kumakûlu amatâtû awahlatywa ngesihlandlo esinye.
12 Emva kwakê ngu-Elazare unyana ka-Dodo, um-Ahowa, owaye ngomnye kumagoŧa amatâtû.
13 Yena waye no-Davide e-Pas-damim; ama-Filisti ayebutêlene kôna ukuba alwe. Kwakukô kôna isiqwenga somhlaba sineŧasi icûmile; basaba abantu ebusweni bama-Filisti.
14 Wesuka yena wamisa esazulwini sesiqwenga eso, wasitîmbâ, yena wawabulala ama-Filisti; u-Yehova wenza-ke usindiso olukûlu.
15 Kwehla isitâtû saba zintloko emashumini amatâtû, saya eweni, ku-Davide, emqolombêni wase-Adulam; yaye impi yama-Filisti imise in-tente entilini yama-Rafa.
16 U-Davide oko ube sembôniselweni apô; i-posi yama-Filisti oko ibise-Betelehem.
17 Wanqwena u-Davide, watî, Akwaba, betû, bendingasezwa amanzi equla lase-Betelehem elisesangweni!
18 Atŷudisa empini yama-Filisti amadoda amatâtû lawo, akâ amanzi equleni lase-

Digitized by Google

Betelehem elisesangweni, awatwala awazisa ku-Davide. Akavuma-ke ukuwasela u-Davide; wawatûlulela pântsi pâmbî ko-Yehova,

19 Watî, Makube lé kum, ku-Tîxo wam, ukwenza oko. Igazi lalamadoda eliyimipêfumlo yawo ndolisela yinina? ngokuba awazisa encame imipêfumlo yawo. Akavuma-ke ukuwasela. Enza ezonto amagofa lawo matâtû.

20 U-Abishayi umninawa ka-Yowabi yena waye yintloko yamatâtû; yena watifutû intshuntshe yakê kumakûlu amatâtû, wabinza. Waba negama-ke kulawo matâtû.

21 Kulawo matâtû wayezukile kunamabini, waba ngumtêtêli wawo-ke; akafika kodwa kulawa matâtû.

22 U-Benaya unyana ka-Yoyada, unyana wendoda enoburoti, wase-Kabetseli, ezenzo zininzi; yena wabulala ingwanyalala ezimbîni zakwa-Mowabi; yena wehla, wabulala ingonyama emhadini pâkatî, mhla ngekêpû.

23 Yena wabulala indoda engum-Yiputa, indoda enewonga, e-kubite zintlanu. Um-Yiputa-lowo epêtê intshuntshe enjengomtî wabaluki bengubo; wehla-ke waya kuyo epêtê intonga, wayihlutâ intshuntshe esandleni som-Yiputa lowo, wambulala kwangentshuntshe yakê.

24 Wenza ezonto u-Benaya unyana ka-Yoyada; wabanegama-ke kwisitâtû eso samagofa.

25 Yabona, wayezukile yena kunamashumi amatâtû-lawo; kodwa akafika kwamatâtû lawa. U-Davide wammisa epâkatîni lakê.

26 Amagofa anoburoti aye ngo-Asaheli umninawa ka-Yowabi; u-Elihanan unyana ka-Dodo, wase-Betelehem;

27 U-Shamoti wase-Harori; u-Heletse um-Pelon;

28 U-Ira unyana ka-Ikeshe, wase-Tekowa; u-Abiyezere wase-Anatoti;

29 U-Sibekayi um-Husha; u-Ilayi um-Ahowa;

30 U-Maharayi wase-Netofa; u-Helede unyana ka-Bahana, wase-Netofa;

31 U-Itayi unyana ka-Ribayi, wase-Gibeha yonyana baka-Benyamin; u-Benaya wase-Piraton;

32 U-Hurayi wasezihlanjeni zase-Gahashe; u-Abiyeli wase-Araba;

33 U-Azemavete wase-Baharum; u-Eliyaba wase-Shahalebon;

34 U-Bene-hashem wase-Gizon; u-Yonatan unyana ka-Shage um-Harari.

35 U-Ahiyam unyana ka-Sakare um-Harari; u-Elifali unyana ka-Ure;

36 U-Hefere um-Mekera; u-Ahiya um-Pelon;

37 U-Hetsero wase-Karmele; u-Naharayi unyana ka-Ezebayi;

38 U-Yoweli umzalwana ka-Natan; u-Mibehare unyana ka-Hagri;

39 U-Tseleke um-Amon; u-Naharayi wase-Beroti, umpâtî wentonga zika-Yowabi unyana ka-Tseruya;

40 U-Ira um-Itri, u-Garebe um-Itri;

41 U-Uriya um-Heti; u-Zabadi unyana ka-Alayi;

42 U-Adina unyana ka-Shiza um-Ruben, intloko yama-Ruben, enamashumi amatâtû;

43 U-Hanan unyana ka-Mahaka; no-Yoshafati wase-Meten;

44 U-Uziya wase-Ashterati; u-Shama no-Yehiyeli onyana baka-Hotan, wase-Arohere;

45 U-Yedihayeli unyana ka-Shimri, no-Yoha umzalwana wake um-Titsi;

46 U-Eliyeli um-Mahavi; no-Yeribayi no-Yoshafiya onyana baka-Elinaham; no-Itema um-Mowabi;

47 U-Eliyeli no-Obedi no-Yahasiyeli wase-Metsobaya.

12 Naba abeza ku-Davide e-Tsikelage, esavingcelekile ngenxa ka-Saule unyana ka-Kishe; bona bekumagofa, bencedisa emfazweni.

2 Bexôbe izapêtâ, besaula ngamatye nge-sokunene nangesokôhlo isandla, betola ngentolo. Bengabakubazalwana baka-Saule, bengabakuma-Benyamin.

3 Intloko ibingu-Ahiyezere no-Yowashe, onyana baka-Shemaha wase-Gibeha; no-Yeziyeli no-Pelete onyana baka-Azemavete, no-Beraka, no-Yehu wase-Anatoti;

4 No-Ishmaya wase-Gibeyon, igofa kulamashumi matâtû, elalipêtê amashumi amatâtû; no-Yeremiya, no-Yahaziyeli, no-Yohanan, no-Yozabadi wase-Gedere;

5 U-Eluzayi, no-Yerimoti, no-Behaliya, no-Shemariya, no-Shefatiya um-Harufi;

6 U-Elikana, no-Yeshiya, no-Azarele, no-Yohezere, no-Yashobeham, ama-Kora;

Digitized by Google

7 No-Yohela, no-Zebadiya onyana baka-Yeroham wase-Gedore.

8 Kuma-Gadi awazahlulela ukuya ku-Davide embôniselweni, asinga entlango ngamadoda anobuŕoti, amadoda omkôsi okulwa, exôbe ikâka nomkônto; ubuso bawo bunjengobengonyama, enjengamanxala asezintabeni ukukâuleza kwawo.

9 Ngu-Ezere owokuqala; ngu-Obadiya owesibini; ngu-Eliyabi owesitâtû;

10 Ngu-Mishemana owesine, ngu-Yeremiya owesihlanu;

11 Ngu-Atayi owesitândatû, ngu-Eliyeli owesixênxe,

12 Ngu-Yohanan owesibôzo, ngu-Elizabadi owesitôba,

13 Ngu-Yeremiya oweshumi, ngu-Makebanayi oweshumi elinanye.

14 Abo konyana baka-Gadi, ibizintloko zomkôsi. Emnye kubo engomncinane ubelilingene ikûlu, omkulu kubo ubelilingene iwaka.

15 Ngabo abo bayiwelayo i-Yordan ngenyanga yokuqala, izele ihambâ pêzu kwendonga zayo; bagxotâ bonke abasezintilini empumalanga nasentshonalanga.

16 Kwaya abonyana baka-Benyamin nabaka-Yuda embôniselweni ku-Davide.

17 Wapûma u-Davide, waya kubakâulela, watî kubo, Ukuba niza kum ninoxolo, ukuba nindincede: intliziyo yam yoba nye neyenu. Ke ukuba nize kundikohlisa nindinikele kubabandezeli bam, kungekô lugonyamelo esandleni sam: wobona u-Tixo wobawo betû, ohlwaye.

18 Umoya wamtî-gqubutû u-Amasayi intloko yamafa-nankosi, *watî*, Singabakô, Davide, singakuwe, nyana ka-Isayi. Uxolo, uxolo lube kuwe, uxolo lube kubancedi bakô; ngokuba uyakunceda u-Tixo wakô. Wabamkela-ke u-Davide, wabamisa bazintloko zamaqela.

19 Kuma-Manase kwabakô abapâmbêla ku-Davide, ekuyeni kwakê nama-Filisti ukuba kuliwe no-Saule, baza abawanceda; ngokuba zacebisana zamndlulula izikûlu zama-Filisti, zisitî, Wopâmbêla ku-Saule inkosi yakê, senzakele-ke.

20 Ekuyeni kwakê e-Tsikelage watêlelwa ngabakwa-Manase u-Adena, no-Yozabadi, no-Yedihayeli, no-Mikayeli, no-Yozabadi, no-Elihu, no-Tsiletayi, intloko zamawaka akwa-Manase.

21 Bona bancedisana no-Davide kulomatutu; ngokuba babe ngamagoŕa anobuŕoti bonke, bebe ngabatêtêli emkosini.

22 Ngokuba ngeloxesha bebesiya imini ngemini ku-Davide ukumnceda, yada yangumkôsi omkûlu njengomkôsi ka-Tixo.

23 Ngawo la amanani entloko ezaxôbela imfazwe, zeza ku-Davide e-Hebron, ukuba buguqulelwe kuye ubukumkani buka-Saule, ngokomlomo ka-Yehova.

24 Onyana baka-Yuda ababepêtê amakâka nezikâli ngamawaka amatândatû anamakûlu asibôzo exôbele imfazwe.

25 Konyana baka-Simon amagoŕa angamaŕoti emfazweni ngamawaka asixênxe anekûlu.

26 Konyana baka-Levi ngamawaka amane, anamakûlu matândatû.

27 Ke u-Yehoyada waye yingănga yama-Aron; waye namawaka amatâtû anamakûlu asixênxe,

28 U-Tsadoki, indodana eligoŕa elinoburoti, nendlu kayise ngabatêtêli abangamashumi mabini anababini.

29 Konyana baka-Benyamin, abazalwana baka-Saule, ngamawaka amatâtû, kwada kwangoku uninzi lwabo lugcina isigxina sendlu ka-Saule.

30 Konyana baka-Efrayim ngamawaka amashumi mabini, anamakûlu asibôzo amagoŕa anobuŕoti, amadoda anegama endlu zoyise.

31 Kwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase lishumi elinesibôzo lamawaka ababalulwa, ngamagama, ukuba baye kumenza ukumkani u-Davide.

32 Konyana baka-Isakare, abawaziyo abawaqondayo amaxesha, ukwazela ange ekwenza ama-Sirayeli: bebe ngamakûlu amabini intloko zabo. Bonke abazalwana babo benza ngokomlomo wabo.

33 Kwa-Zebulon: abapûma umkôsi, abaxôbela ukulwa, benentonga zonke zemfazwe, ngamashumi omahlanu amawaka, behlohla ululu, benge nazintliziyo zimbâxa.

34 Kwa-Nafetali: yabangabatêtêli abaliwaka, benamashumi amatâtû anesixênxe amawaka apêtê amakâka nentshuntshe.

35 Kwa-Dan: abaxôbele imfazwe yangamashumi amabini anesibôzo amawaka, anamakûlu matândatû.

36 Kwa-Ashere: abapûma umkôsi, bexôbele ukulwa, yangamashumi omane amawaka.

Digitized by Google

37 Pêsheya kwe-Yordan kwa-Ruben nakwa-Gadi, nakwisiqingatâ sesizwe sakwa-Manase, benentonga zonke zomkôsi wokulwa, yalikûlu elinamanci mabini amawaka.

38 Onke lomadoda okulwa ahlohla uluhlu, aya enentliziyo epêlelisekileyo e-Hebron, ukuba amenze ukumkani u-Davide kuma-Sirayeli onke. Kananjalo namanye ama-Sirayeli onke aye ntliziyo-nye ukumenza ukumkani u-Davide.

39 Aye no-Davide apô intsuku ezintâtû, esidla esela; ngokuba abazalwana bawo baye bewalungiselele.

40 Kananjalo abakufupî nabo, kwada kwesa kwa-Isakare, nakwa-Zebulon, nakwa-Nafetali, bazisa izonka ngama-esile, nangen-kamela, nangondlebende, nangamaqêgu, ukudla okungumgubo, nezicumbâ zamakiwane neze-rasintyisi, ne-wayini, ne-oli, nenkomo, nempahl' emfutshane into eninzi; ngokuba bekuvuywa kwa-Sirayeli.

13 Wacebisana u-Davide nabatêtêli bamawaka nabamakûlu, ingânga zonke.

2 Watî u-Davide kwibandla lonke lakwa-Sirayeli, Ukuba kulungile kuni, ukuba kuvela ku-Yehova u-Tîxo wetû, masipânge sitûmele kubazalwana betû abaseleyo emazweni onke akwa-Sirayeli, kunye nabo-ke *sitûmele* kubenzeleleli naba-Levi abasemizini yamadlelo abo, ukuba babutêlane kutî;

3 Siwuguqulele kutî umkômbê ka-Tîxo wetû; ngokuba asibuzisanga kuwo ngemini zika-Saule.

4 Latî lonke ibandla, Makwenjiwe njalo; ngokuba lalilungile elozwi emehlweni abantu bonke.

5 Wawabizela ndawo-nye-ke u-Davide onke ama-Sirayeli, watâbatêla e-Shihore yase-Yiputa, wada wasa ekungeneni e-Hamati, ukuba awutâbatê umkômbê ka-Tîxo e-Kiriyati-yeharim.

6 Wenyuka u-Davide nama-Sirayeli onke, waya e-Bahala, eyi-Kiriyati-yeharim eyakwa-Yuda, ukuba awunyuse apô umkômbê ka-Tîxo, ongu-Yehova onguhleli ezi-kerubini igama lokunqulwa kwakê.

7 Bawukwêlisa umkômbê ka-Tîxo enqweleni entsha, ukupûma endlwini ka-Abinadabi; u-Uza no-Ahiyo bayiqûba inqwelo.

8 U-Davide nama-Sirayeli onke baqambâ pâmbî ko-Yehova ngamandla onke, ngengoma, nangehadi, nangemifubê, nangengqongqo, nangamacangci, nangamaxilongo.

9 Baya bafika esandéni sika-Kidon; u-Uza wasa isandla sakê, wawubâmbâ umkômbê; ngokuba inkomo beziwugungqisa.

10 Wavutâ umsindo ka-Yehova ku-Uza, wambetâ ngenx' enokuba wasa isandla sakê enkômbêni; wafela kôna pâmbî ko-Tîxo.

11 Kwavutâ umsindo ku-Davide; ngokuba u-Yehova emtyobozele ngotyobozo u-Uza, watî londawo yi-Peretse-uza, unamhla.

12 U-Davide wamoyika u-Tîxo ngalomini, watî, Ndotî-nina ukuwuzisa kum umkômbê ka-Tîxo?

13 U-Davide akawusanga kuye umkômbê emzini ka-Davide, wawusonga wawupâmbûkisela endlwini ka-Obede-edom wase-Gati.

14 Wahlala umkômbê ka-Tîxo emzini ka-Obede-edom, endlwini yakê, inyanga zantatû; u-Yehova wayisikelela-ke indlu ka-Obede-edom nento yonke anayo.

14 Kekaloku u-Hiram ukumkani wase-Tire watûma abatûnywa ku-Davide, nemi-sedare, nencîbi zendonga, nencîbi zemitî ukumakêla indlu.

2 Wazi u-Davide ukuba u-Yehova umqinisile wangukumkani wama-Sirayeli; bapâkanyiselwa pêzulu ubukumkani bakê ngenxa yabantu bake ama-Sirayeli.

3 U-Davide wabuya wazeka abanye abafazi e-Yerusalem; u-Davide wabuya wazala abanye onyana nentombî.

4 Ngawo la amagama abantwana awabazuzayo e-Yerusalem: u-Shamuwa, no-Shobabi, no-Natan, no-Solomon,

5 No-Ibehare, no-Elishuwa, no-Elipelete,

6 No-Noga, no-Nefege, no-Yafiya,

7 No-Elishama, no-Beleyada, no-Elifelete.

8 Atî-ke ama-Filisti, akuva ukuba utânjisiwe u-Davide wangukumkani kuma-Sirayeli onke, enyuka onke ama-Filisti aya kumfuna u-Davide. Weva u-Davide, wapûma waya kuwahlangabeza.

Digitized by Google

9 Ama-Filisti eza atĩ-dwe entilini yama-Rafa.

10 Wabuza u-Davide ku-Tĩxo, watĩ, Ndinyuke-na ndiye kuma-Filisti? wowanikela-na esandleni sam? Watĩ u-Yehova kuye, Nyuka, ndowanikela esandleni sakô.

11 Benyuka baya e-Bahali-peratsim, wawabulalela kôna u-Davide. Watĩ u-Davide, U-Tĩxo uzityobozele intshaba zam ngesandla sam njengokutyoboza kwamanzi; ngenxa yoko batĩ igama lalondawo yi-Bahali-peratsim.

12 Azishiya apô izitĩxo zawo; wati u-Davide, mazitshiswe ngomlilo.

13 Abuya apĩnda ama-Filisti, atĩ-dwe entilini-leyo.

14 Wabuya wabuza u-Davide ku-Tĩxo. Watĩ u-Tĩxo kuye, Uz'ungenyuki uwasukele, jika umke kuwo, ufike kuwo malunga nemitĩ yemi-baka.

15 Kutĩ, ekuveni kwakô isandi sokuhambâ emantloko emitĩ yemi-baka, wandule ukupûma ulwe; ngokuba upûmile u-Tĩxo pâmbĩ kwakô, ukuba awuxabele umkôsi wama-Filisti.

16 Wenza u-Davide njengoko u-Tĩxo wamwisela umtêtô ngako; bawuxabela umkôsi wama-Filisti, batâbatêla e-Gibeyon, besa nase-Gezere.

17 Lwapuma lwagqib'ilizwe udumo luka-Davide; u-Yehova wazenza zonk' intlanga ukuba zinkwantye nguye.

15 U-Davide wazenzela izindlu emzini ka-Davide; wawulungisela indawo umkômbê ka-Tĩxo, wawumisela in-tente.

2 Waza u-Davide watĩ, Mawungatwalwa umkômbê ka-Tixo ngabangeba-Levi; ngokuba unyule bona u-Yehova ukuba bawutwale umkômbê ka-Tĩxo, bamlungiselele ngonapâkade.

3 U-Davide wawabizela ndawo-nye onke ama-Sirayeli e-Yerusalem, ukuze umkômbê ka-Yehova unyuswe usiwe endaweni yawo abewulungisele yona.

4 Wabahlanganisa u-Davide onyana baka-Aron naba-Levi.

5 Konyana baka-Kehati yangu-Uriyeli umtêtêli, nabazalwana bakê belikûlu elinamanci mabini.

6 Konyana baka-Merari yangu-Asaya umtêtêli, nabazalwana bakê bengamakûlu amabini anamanci mabini.

7 Konyana baka-Gershom yangu-Yoweli umtêtêli, nabazalwana bakê belikûlu elinamanci matâtû.

8 Konyana baka-Elitsafan yangu-Shemaya umtêtêli, nabazalwana bakê bengamakûlu amabini.

9 Konyana baka-Hebron yangu-Eliyeli umtêtêli, nabazalwana bakê bengamashumi asibôzo.

10 Konyana baka-Uziyeli yangu-Aminadabi umtêtêli, nabazalwana bakê belikûlu elinashumi-nye linababini.

11 U-Davide wabiza o-Tsadoki no-Abiyatare abenzeleleli, naba-Levi o-Uriyeli, no-Asaya, no-Yoweli, no-Shemaya, no-Eliyeli, no-Aminadadi,

12 Watĩ kubo, Nizintloko zezindlu zoyihlo kuba-Levi; zingcwaliseni nina nabazalwana benu, ninyuse umkômbê ka-Yehova u-Tĩxo ka-Sirayeli, uze apô ndiwulungisele kôna;

13 Ngokuba yabinge nini-nje *enawunyusayo* kwasekuqaleni, wasityobozela u-Yehova u-Tĩxo wetû; ngokuba singamfunanga ngokwesiko.

14 Bazingcwalisa-ke abenzeleleli naba-Levi, ukuba bawunyuse umkômbê ka-Yehova u-Tĩxo ka-Sirayeli.

15 Bawutwala onyana baka-Levi umkômbê ka-Tĩxo, njengoko abemwisele umtêtô u-Moses ngokwelizwi lika-Yehova, emagxeni abo ngezibonda ezikuwo.

16 Watĩ u-Davide kubatêtêli baba-Levi, mabamise abazalwana babo babe zimvumi ezinempahla zokuvuma: imifubê, nehadi, namacangci akencêzayo, kupâkanyiswe ngesandi sovuyo.

17 Aba-Levi bamisa u-Heman unyana ka-Yoweli, nakubazalwana bakê u-Asafu unyana ka-Berekiya, nakonyana baka-Merari abazalwana babo u-Etan unyana ka-Kushaya,

18 Benabazalwana babo bolwesibini ududi, yangu-Zekariya, no-Ben, no-Yahaziyeli, no-Shemiramoti, no-Yehiyeli, no-Uni, no-Eliyabi, no-Benaya, no-Mahaseya, no-Matitiya, no-Elifelehu, no-Mikeneya, no-Obede-edom, no-Yehiyeli abamasango.

19 Imvumi: o-Heman, no-Asafu, no-Etan bebe ngabokuvakalisa ngamacangci obêdu.

20 O-Zekariya, no-Haziyeli, no-Shemiramoti, no-Yehiyeli, no-Uni, no-Eliyabi, no-Mahaseya, no-Benaya ngemifubê, ngelentombĩ ilizwi.

Digitized by Google

21 O-Matitiya, no-Elifelehu, no-Mikeneha, no-Obede-edom, no-Yehiyeli, no-Azaziya ngehadi, ngelamadoda ilizwi ukuba bahlabele.
22 U-Kenaniya, umtêtêli waba-Levi ekutwaleni, wafundisa ukutwala; ngokuba ebe nengqondo yoko.
23 O-Berekiya no-Elikana bebe ngabamasango bomkômbê.
24 O-Shebaniya, no-Yehoshafati, no-Nataniyeli, no-Amasayi, no-Zekariya, no-Benaya, no-Eliyezere abenzeleleli, babe ngabokuvutêla ngamaxilongo pâmbî komkômbê ka-Tixo. O-Obede-edom no-Yehiya bebe ngabamasango bomkômbê.
25 Kwatî-ke, o-Davide namadoda amakûlu akwa-Sirayeli nabatêtêli bamawaka baya kuwunyusa umkômbê womnqopiso ka-Yehova endlwini ka-Obede-edom, bevuya.
26 Kwatî, ekubancedeni kuka-Tixo aba-Levi, bawutwala umkômbê womnqopiso ka-Yehova, babingelela inkunzi ezintsha zenkomo zasixênxe, nenkunzi zegusha zasixênxe.
27 Wayambête ingubo yokwaleka yelinen ecikizekileyo u-Davide, naba-Levi bonke ababetwele umkômbê, nemvumi, no-Kenaniya umtêtêli wabatwali; ke u-Davide wayebînqe i-efodi ye-linen emhlopê.
28 Ama-Sirayeli onke abewunyusa umkômbê womnqopiso ka-Yehova eduma, enesandi sezigodlo, nesamaxilongo nesamacangci, evakalisa ngemifubê nangehadi.
29 Kwatî-ke, ekufikeni komkômbê womnqopiso ka-Yehova emzini ka-Davide, walunguza nge-festile u-Mikali intombî ka-Saule, wabona ukumkani u-Davide eduda eqambâ, wamcekisa entliziyweni yakê.

16 Bawungenisa umkômbê ka-Tixo bawumisa esazulwini sen-tente, abeyimisele wona u-Davide; basondeza amadini anyukayo, nemibingelelo yoxolo pâmbî ko-Tixo.
2 Wagqiba-ke u-Davide ukunyusa amadini anyukayo, nemibingelelo yoxolo, wabasikelela abantu ngegama lika-Yehova.
3 Wababela bonke abantu bakwa-Sirayeli, etâbatêla kwindoda, wesa nakumfazi; elowo wamnika intenda yesonka, nomlinganiso we-wayini nesicumbâ se-rasintyisi.

4 Wamisa pâmbî komkômbê ka-Yehova abalungiseleli kuba-Levi, ukuba bakumbuze, babulele, badumise u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli.
5 Yangu-Asafu intloko, yangu-Zekariya emva kwakê, no-Yehiyeli, no-Shemiramoti, no-Yehiyeli, no-Matitiya, no-Eliyabi, no-Benaya, no-Obede-edom, no-Yahaziyeli, ngempahla zemifubê nangehadi; u-Asafu wenza isandi ngamacangci.
6 O-Benaya no-Yahaziyeli abenzeleleli benza isandi ngamaxilongo ngamaxesha onke pâmbî komkômbê womnqopiso ka-Tixo.

7 Waza ngalomini u-Davide wabamisela kuqala o-Asafu nabazalwana bakê ukubulela ku-Yehova.
8 Bulelani ku-Yehova, nqulani igama lakê,
Yazisani ezizweni izenzo zakê ezincamisileyo.
9 Vumani kuye, mbetêleni uhadi,
Xoxani ngemisebenzi yakê yonke ebalulekileyo.
10 Qâyisani ngegama lakê elingcwele,
Mayivuye intliziyo yabamnxâmeleyo u-Yehova.
11 Mfuneni u-Yehova namandla akê,
Nxâmelani ubuso bakê ngamaxesha onke.
12 Kûmbûlani imisebenzi yakê ebalulekileyo awayenzayo,
Izimanga zakê nezigwebo zomlomo wakê;
13 Mbêwu ka-Sirayeli, yomkônzi wakê,
Nyana baka-Yakobi, banyulwa bakê.
14 Ngu-Yehova, ngu-Tixo wetû yena;
Zisemhlabeni wonke izigwebo zakê.
15 Kûmbûlani ngonapâkade umnqopiso wakê,
Ilizwi awalimisela izizukulwana eziliwaka,
16 Awanqopisana ngalo no-Abraham,
Nokufunga kwakê ku-Isake,
17 Nokumisa kwakê ukuba kube ngummiselo ku-Yakobi,
Kube ngumnqopiso ongunapâkade ku-Sirayeli,
18 Esiti, Ndikunika ilizwe lakwa-Kanan
Libe licandelo lelifa lenu,
19 Nisengamadoda ambalwa,

Digitized by Google

Nibancinane, ningabapâmbûkeli kulo;
20 Bahambâ besuka kolunye uhlanga baye kolunye uhlanga,
Besuka kobunye ubukumkani, baye kwabanye abantu;
21 Akavumela mntu ukuba abacudise, Wohlwaya okumkani ngenxa yabo,
22 *Esiti*, Musan' ukubacûkumisa abatânjiswa bam,
Musan' ukubapâtâ kakubi aba-profeti bam.
23 Vumani ku-Yehova, mhlaba wonke, Shumayelani indaba ezilungileyo zosindiso lwakê imini ngemini.
24 Balisani ezintlangeni zonke uzuko lwakê,
Balisani ezizweni zonke imisebenzi yakê ebalulekileyo.
25 Ngokuba mkûlu u-Yehova, engowokudunyiswa kunene,
Uyoyikeka ngapêzu kotîxo bonke.
26 Ngokuba bonke otîxo bezizwe abanto zanto;
U-Yehova yena wenza amazulu.
27 Yindili nobungangamela pâmbî kwakê,
Ngamandla novuyo endaweni yakê *engcwele*
28 Mnikeni u-Yehova, nina mizalwane yezizwe,
Mnikeni u-Yehova uzuko namandla.
29 Mnikeni u-Yehova uzuko lwegama lakê;
Zisani umnikelo nime pâmbî kwakê,
Qubudani ku-Yehova, nivetê ezingcwele.
30 Tûtûmelani pâmbî kwakê, mhlaba wonke,
Elimiweyo liya kuzinza ngoko, lingashukumi.
31 Makavuye amazulu, ugcobe umhlaba,
Makutîwe ezintlangeni, U-Yehova ngukumkani.
32 Malugqume ulwandle nokuzala kwalo,
Malidlamke ilizwe nento yonke ekulo,
33 Ize imemelele imiti yehlati pâmbî ko-Yehova,
Ngokuba esiza kuwugweba umhlaba.
34 Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile,
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
35 Yitîni, Sisindise, Tîxo osisindisayo,
Usibutê, usihlangule ezintlangeni,
Ukuze sibulele igama lakô elingcwele,
Sizingce ngendumiso yakô.
36 Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli,
Kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni!
Batî-ke bonke abantu, Amen, bamdumisa u-Yehova.

37 Wabashiya apô pâmbî komkômbê womnqopîso ka-Yehova o-Asafu nabazalwana bakê, ukuba balungiselele pâmbî komkômbê ngamaxesha onke, ngokwento yemini ngangemini yayo;
38 No-Obede-edom nabazalwana babo, bemashumi matândatû anesibôzo; u-Obede-edom unyana ka-Yedutun no-Hosa bengabamasango;
39 No-Tsadoki umenzeleleli, nabazalwana bakê abangabenzeleleli, bepâmbî komnquba ka-Yehova esigângeni esise-Gibeyon,
40 Ukuba banyuse amadini anyukayo ku-Yehova esibingelelweni sedini elinyukayo amaxesha onke kusasa nangokuhlwa, njengoko konke kubâliweyo emyalelweni ka-Yehova, awawumisela ama-Sirayeli;
41 Benabo o-Heman no-Yedutun, nabanye abanyulwa abo babekânkanywe ngamagama, ukuba babulele ku-Yehova; ngokuba ingunapâkade inceba yakê;
42 Beno-Heman no-Yedutun benamaxilongo, namacangci, abo benza isandi benempahla zokuvuma zika-Tîxo. Onyana baka-Yedutun bengabamasango.
43 Bahambâ bonke abantu, elowo waya endlwini yakê; wabuya-ke u-Davide, weza kusikelela indlu yakê.

17 Kekaloku kwatî, xa ahleliyo u-Davide endlwini yakê, watî u-Davide ku-Natan um-profeti, Uyabona, mna ndihleli endlwini yemi-sedare; ke wona umkômbê womnqopîso ka-Yehova upântsi kwamalengalenga.
2 Watî u-Natan ku-Davide, Konke okusentliziyweni yakô, kwenze; ngokuba u-Tîxo unawe.
3 Kwatî ngobobusuku lafika ilizwi lika-Tîxo ku-Natan, lisitî,
4 Hamb'uyokutî ku-Davide isicaka sam, Utsho u-Yehova ukutî, Wena akusokundakêla ndlu yakuhlala.
5 Ngokuba andihlalanga ndlwini kususela kulamini ndawanyusayo ama-Siraye-

Digitized by Google

li, unanamhla; kendisuka en-tenteni, *ndiye* en-tenteni, ndisuke emnqubeni *ndiye* emnqubeni.

6 Ekuhambêni konke, endakuhambâhambâ nama-Sirayeli onke, kêndatêtâ izwina nakumnye kubalauli bakwa-Sirayeli, endabawisela umtêtô wokwalûsa abantu bam, lokutî, Yinina ukuba ningandakêli ndlu yami-sedare?

7 Kengoko wotsho ku-Davide isicaka sam, ukutî, Utsho u-Yehova wemikôsi, ukutî, Ndakutâbatâ edlelweni mna, ekulandeleni impahl' emfutshane, ukuba ube yingănga yabantu bam ama-Sirayeli;

8 Ndaba nawe kuko konke owahamba kukô, ndazinqumla zonke intshaba zakô ebusweni bako, ndakwenzela igama njengegama labakûlu abasemhlabeni.

9 Ndiya kubamisela indawo abantu bam ama-Sirayeli, ndibatyale, beme emanxuweni abo bangabi sagungqa; onyana bobutshijolo bangabuye babonăkalise njengamhla mnene;

10 Ususela kulamini ndabamisela abantu bam ama-Sirayeli abalauli, ndazitôba zonke intshaba zakô. Ke ndiyakuxelela ukuba u-Yehova uya kukwakêla indlu.

11 Kutî, xa itê yazaliseka imihla yakô yokuba uye koyihlo, ndiyipâkamise emva kwakô imbêwu yakô, eya kuvela konyana bakô, ndibuzinzise ubukumkani bakê.

12 Nguye oya kundakêla indlu, ndiyizinzise i-trone yakê kude kuse epâkadeni.

13 Mna ndiya kuba nguyise kuye, yena abe ngunyana kum. Inceba yam andiyi kuyisusa kuye, njengoko ndayisusayo kowaye ngapâmbî kwakô.

14 Ndiya kummisa endlwini yam nasebukumkanini bam kude kuse epâkadeni; i-trone yakê iya kuzinza kude kuse epâkadeni.

15 Njengalomazwi onke, njengalombono wonke wenje njalo u-Natan ukutêtâ ku-Davide.

16 Wava ukumkani u-Davide, wahlala pâmbî ko-Yehova, watî, Ndingubani-na, Yehova Tîxo, iyinto-nina indlu yam, ukuba ude undizise nalapâ?

17 Kuncinane oko-ke emehlweni akô, Tîxo, utêtâ nangendlu yomkônzi wakô usingise mgama; wandikângela wandenza umntu, wandinyusa, Yehova Tîxo.

18 Usakongeza nto-nina-ke u-Davide ukutêtâ kuwe ngokusingisele ekuzukisweni komkônzi wakô lo? Wena uyamazi umkônzi wakô lo.

19 Yehova, ubenze ngenxa yomkônzi wakô, nangokwentliziyo yakô, bonke obobukûlu, ukwazisa ezizenzo zonke zikûlu kângaka.

20 Yehova, akukô unjengawe; akuko Tîxo ngapâya kwakô, njengoko konke sikuvileyo ngendlebe zetû.

21 Lulupina uhlanga emhlabeni apâ olunjengabantu bakô ama-Sirayeli, awaya kuzikûlulela u-Tixo, ukuba lube ngabantu, ukuba akumisele igama ngezenzo ezikûlu nezoyikekayo, ngokugxotâ intlanga pâmbî kwabantu bakô owabakûlulayo e-Yiputa?

22 Wabenza abantu bakô ama-Sirayeli babe ngabantu kuwe kude kuse epâkadeni; wena, Yehova, waba ngu-Tîxo kubo.

23 Kaloku, Yehova, ilizwi olitêtîleyo ngomkônzi wakô nangendlu yakê malibe yinyaniso kude kuse epâkadeni, wenze njengoko utêtîleyo;

24 Libe yinyaniso, likûle igama lakô kude kuse epâkadeni, kusitîwa, U-Yehova wemikôsi u-Tîxo wama-Sirayeli ngu-Tîxo ku-Sirayeli; indlu ka-Davide umkônzi wakô iqinile pâmbî kwakô.

25 Ngokuba wena, Tîxo wam, ukutyilile ezindlebeni zomkônzi wakô, ukuba uya kumakêla indlu; ngenxa yoko umkônzi wakô ufumene *intliziyo* yokutândaza pâmbî kwakô.

26 Kaloku, Yehova, unguye u-Tîxo wena, uzitêtîle-ke ngomkônzi wakô ezizinto zilungileyo;

27 Kaloku makukôleke kuwe ukuyisikelela indlu yomkônzi wakô, ukuba ihlal'ihleli pâmbî kwakô ngonapâkade; ngokuba, wena Yehova, usikelele into, yosikeleleka ngonapâkade.

18 Kwatî emveni kokuba njalo, u-Davide wawaxabela ama-Filisti, waweyisa; wayitâbatâ i-Gati namagxamesi ayo esandleni sama-Filisti.

2 Wawaxabela ama-Mowabi; ama-Mowabi aba ngabakônzi ku-Davide, azisa iminikelo.

3 U-Davide wamxabela u-Hadarezere ukumkani we-Tsoba e-Hamati, ekuyeni kwakê ukuwamisa amandla akê emlanjeni ongum-Frati.

4 U-Davide wazitîmbêla iwaka lenqwelo zokulwa, namawaka asixênxe abama-

Digitized by Google

hashe, namashumi omabini amawaka angumqikela. U-Davide wawanqumla imisipâ onke amahashe enqwelo zokulwa, washiya kuwo awenqwelo alikûlu.

5 Ke ama-Aram ase-Damasko eza kunceda u-Hadarezere ukumkani we-Tsoba. U-Davide wabulala kuma-Aram amashumi amabini anamabini amawaka amadoda.

6 U-Davide wamisa i-posi kwa-Aram-damasko. Ama-Aram aba ngabakônzi ku-Davide, azisa iminikelo. U-Yehova wamsindisa u-Davide endaweni zonke awahambâ kuzo.

7 Wawatâbatâ u-Davide amakâka e-golide abe kubakonzi baka-Hadarezere, wawazisa e-Yerusalem;

8 Nase-Tibati, nase-Kun, imizi ka-Hadarezere, u-Davide watâbatâ ubêdu oluninzi kunene, olo u-Solomon wenza ngalo ulwandle lobêdu, nentsika, nempahla yobêdu.

9 Weva-ke u-Tohu ukumkani wase-Hamati, ukuba u-Davide uyixabele yonke impi ka-Hadarezere ukumkani wase-Tsoba,

10 Watûma u-Hadoram unyana wakê kukumkani u-Davide, ukuba ambuze ukupîla kwakê, amsikelele ngenxa yokuba ebelwile no-Hadarezere, wameyisa; (ngokuba u-Tohu waye ngumfo obesilwa no-Hadarezere). Waye *u-Hadoram lowo* enempahla zonke ze-golide, neze-silvere, nezobêdu.

11 Ukumkani u-Davide wazingcwalisela ku-Yehova kananjalo ezo, kunye nesilvere ne-golide abeyitâbatîle ezintlangeni zonkê, kuma-Edom, nakuma-Mowabi, nakonyana baka-Amon, nakuma-Filisti, nakuma-Amaleki.

12 U-Abishayi unyana ka-Tseruya wawabulala ama-Edom angamawaka alishumi linesibôzo esihlanjeni se-Tyuwa.

13 Wamisa i-posi kwelama-Edom; aba ngabakônzi ku-Davide onke ama-Edom. U-Yehova wamsindisa u-Davide endaweni zonke awahambâ kuzo.

14 Waye ngukumkani-ke u-Davide kuma-Sirayeli onke; waye u-Davide esenza okusesikweni nobulungisa ebantwini bakê bonke.

15 Ke u-Yowabi unyana ka-Tseruya wayepêtê umkôsi; no-Yehoshafati unyana ka-Ahiludi waye ngumkûmbûzi wezinto zakomkûlu.

16 U-Tsadoki unyana ka-Ahitubi no-Abimeleki unyana ka-Abiyatare babe ngabenzeleleli; u-Shavesha waye ngumbâli.

17 U-Benaya unyana ka-Yoyada ubepêtê abanciniti nezigidimi. Onyana baka-Davide babe yingalo yokunene kukumkani.

19 Kwatî emva koko, wafa u-Nahashe, ukumkani wonyana baka-Amon; wangukumkani unyana wakê esikûndleni sakê.

2 Watî-ke u-Davide, Mandimenzele inceba u-Hanun unyana ka-Nahashe; njengokuba noyise wandenzela inceba. Watûmela u-Davide abatûnywa bokumkûza ngaye uyise. Beza-ke abakônzi baka-Davide ezweni lonyana baka-Amon ku-Hanun ukuba bamkûze.

3 Batî abatêtelî bonyana baka-Amon ku-Hanun, Ucinga ukuba-Davide uzukisa uyihlo-na emehlweni akô, ngokuba etûme abakûzi kuwe? abakônzi bakê abeze kuwe-na ukuze baligocagoce, balibûkuqe, balihlole ilizwe?

4 Wabatâbatâ u-Hanun abakônzi baka-Davide wabaguya, wazicanda pâkatî ingubo zawo ezinde, wada waya kuma ngemisekela, wabandulula-ke.

5 Bahambâ, bamxelela u-Davide okwenziwe kulomadoda. Watûmela bawakâulela; ngokuba amadoda lawo ayehlaziswe kunene. Watî ukumkani, Hlalani e-Yeriko, zide zihlume indevu zenu, nandul'ukubuya-ke.

6 Babona onyana baka-Amon, ukuba bazinukisile ku-Davide, batûmela-ke u-Hanun nonyana baka-Amon kwa-Aram epâkatî kwemilambô, nakwa-Aram-maharaka, nase-Tsoba iwaka le-talente ze-silvere, ukuba baqeshe inqwelo zokulwa nabamahashe.

7 Baziqeshela amashumi amatâtû anamabini amawaka enqwelo zokulwa nokumkani wase-Mahaka nabantu bakê; beza-ke bamisa in-tente pâmbî kwe-Medeba. Onyana baka-Amon bahlanganisana bepûma emizini yabo, beza kulwa.

8 Weva u-Davide, watûma u-Yowabi enomkôsi wonke wamagoña.

9 Bapûma onyana baka-Amon, baka izintlu zokulwa ekungeneni komzi; okumkani abebezile bebodwa endle.

10 Wabona u-Yowabi ukuba imfazwe ibêke kuye, ngapâmbîli nangasemva, wa-

Digitized by Google

nyula emadodeni onke ahleliweyo kwa-Sirayeli, wâka uluhlu malunga nama-Aram.

11 Abanye abantu wabanikela esandleni sika-Abishayi umninawa wakê; bakâ uluhlu malunga nonyana baka-Amon.

12 Watî, Ukuba ama-Aram atê andeyisa, wondisiza; ukuba batê onyana baka-Amon bakweyisa, ndokusiza.

13 Yomelela, somelele ngenxa yabantu bakowetû, nangenxa yemizi yo-Tixo wetû; u-Yehova uya kwenza oko kulungileyo emehlweni akê.

14 Wafika u-Yowabi nabantu ababe naye, wema pâmbî kwama-Aram eza kulwa; asaba ebusweni bakê.

15 Babona onyana baka-Amon, ukuba asabile ama-Aram, basaba nabo ebusweni buka-Abishayi umninawe wakê, bangena ekâya. Waya u-Yowabi e-Yerusalem.

16 Abona ama-Aram ukuba agxotîwe pâmbî kwama-Sirayeli, atûma izigidimi, awafola ama-Aram abepêsheya kom-Lambô, u-Shofaki umtêtêli womkôsi ka-Hadarezere epâmbî kwawo.

17 Kwaxelwa ku-Davide; wahlanganisa ama-Sirayeli onke, wayiwela i-Yordan, waya kuwo, wakâ uluhlu ukuba alwa nawo. U-Davide walwakâ uluhlu esiya kuwahlangabeza ama-Aram ukuba alwe nawo; alwa-ke naye.

18 Asaba ama-Aram ebusweni bama-Sirayeli; u-Davide wabulala kuma-Aram amawaka asixênxe abenqwelo zokulwa, namashumi amane amawaka amadoda angumqikela, wabulala no-Shofaki umtêtêli womkôsi.

19 Babona abakônzi baka-Hadarezere, ukuba bagxotîwe pâmbî kwama-Sirayeli, baxolisana no-Davide, bamkônza. Akavuma ama-Aram ukuba sabasiza onyana baka-Amon.

20 Kwatî ukuvela konyaka, ngexesha lokupûma kokumkani, u-Yowabi wayeyipêtê impî epûm'umkôsi, walonakalisa ilizwe lonyana baka-Amon, wafika wayingqinga i-Raba. U-Davide waye ehleli e-Yerusalem. U-Yowabi-ke wayicîtâ i-Raba, wayitshabalalisa.

2 U-Davide wasitâbatâ isitsaba sokumkani wabo entloko yakê, wasifumana siyi-talente ye-golide ubunzima baso, sinamatye anqabileyo; sabekwa entloko ka-Davide. Wapûma namaxôba alomzi amaninzi kunene.

3 Ke abantu ababe kôna wabafola, wabasika ngesaŕa nangezisizilo zesinyiti nangempahla ezibukâli zesinyiti. Wenje njalo u-Davide kwimizi yonke yonyana baka-Amon. Wabuya-ke u-Davide nabantu bonke, waya e-Yerusalem.

4 Kwatî emva koko, kwaliwa nama-Filisti e-Gezere; wesuka u-Sibekayi um-Husha wambulala u-Sipayi, obe ngowonyana baka-Rafa; eyiswa-ke.

5 Kwabuya kwaliwa nama-Filisti. U-Elihanan unyana ka-Yahire wambulala u-Lami umzalwana ka-Goliyati wase-Gati, olutî lwentshuntshe yakê lwalungangomtî wabaluki.

6 Kwabuya kwaliwa e-Gati. Kwakô ndoda iyingxilimbêla, eminwe namazwane ayimitândatû sandleni sinye, ematândatû lunyaweni lunye; amashumi mabini anane; nayo ibizalwa ngu-Rafa.

7 Yawangcikiva ama-Sirayeli; wayibulala u-Yonatan unyana ka-Shimeha, umkuluwa ka-Davide.

8 Abo bazalwa ngu-Rafa e-Gati; bawa ngesandla sika-Davide nangesandla sabakônzi bakê.

21 Kekaloku u-Satana wesukela pêzulu kuma-Sirayeli, waxôkonxa u-Davide, ukuba awabale ama-Sirayeli.

2 Watî-ke u-Davide ku-Yowabi nakubatêtêli babantu, Kâniye, niwabale ama-Sirayeli, nitâbatêla e-Ber-sheba, nide nise kwa-Dan, nilizise kum, ndilazi inani lawo.

3 Watî u-Yowabi, U-Yehova makalongezelele inani labantu bakê izihlandlo ezilikûlu kunoko bangakô; kodwa, nkosi yam, kumkani, abangabakônzi benkosi yam bonke yinina? iyifunela-nina lento inkosi yam? yinina ukuba ingenise ityala kuma-Sirayeli?

4 Laqinisela ilizwi lokumkani ku-Yowabi. Wapûma-ke u-Yowabi, wahambâhambâ kuma-Sirayeli onke, weza e-Yerusalem.

5 U-Yowabi wamnika-ke u-Davide inani lokubalwa kwabantu. Ama-Sirayeli onke aba sigidi esinye esinamawaka alikûlu lamadoda apâtâ irele; nama-Yuda angamakûlu amane anamanci asixênxe amawaka amadoda apâtâ irele.

Digitized by Google

6 Ke aba-Levi nama-Benyamin akawabalanga pakatí kwawo; ngokuba ilizwi lokumkani lalilisikizi ku-Yowabi.

7 Kwabakubi emehlweni ka-Tixo ngenxa yalento; wawohlwaya-ke ama-Sirayeli.

8 Watí u-Davide ku-Tixo, Ndonile kunene ngalento ndiyenzileyo; kaloku kaubukwelelise ubugwenxa bomkonzi wako; ngokuba ndenze ubudenge obukulu.

9 Watéta u-Yehova ku-Gadi, imboni ka-Davide, esití,

10 Yiya utété ku-Davide, utí, Utsho u-Yehova ukutí, Ndikubekela izinto ezintatu; zinyulele ibe nye kuzo, ndiyenze kuwe.

11 Waya-ke u-Gadi ku-Davide, watí kuye, Utsho u-Yehova ukutí, Zityumbele;

12 Nokuba yiminyaka emitatu yendlala; nokuba zinyanga ezintatu ugxotwa zintshaba zako, nerele lentshaba zako likufikela; nokuba yimihla emitatu yerele lika-Yehova, nendyikitya yokufa ezweni, isitunywa sika-Yehova sisonakalisa emimandleni yonke yakwa-Sirayeli. Kaloku-ke, yenza ilizwi endolibuyisela konditumileyo.

13 Watí u-Davide ku-Gadi, ndididekile kunene, masendisiwa esandleni sika-Yehova; ngokuba ininzi imfesane yake, mandingaweli esandleni somntu.

14 U-Yehova watoba-ke indyikitya yokufa kwa-Sirayeli; kwawa amashumi asixenxe amawaka amadoda kwa-Sirayeli.

15 U-Tixo watuma isitunywa e-Yerusalem, ukuba siyitshabalalise. Sakubon'ukuba siyatshabalalisa, wabona u-Yehova, wazohlwaya ngenxa yobubi-obo; watí kwisitunywa-eso sitshabalalisayo, Kwanele, sitobe kaloku isandla sako. Kekaloku isitunywa sika-Yehova sema esandeni sika-Ornan um-Yebusi.

16 U-Davide wawapakamisa amehlo ake, wabona isitunywa sika-Yehova simi pakatí komhlaba nezulu, sité-futu irele laso ngesandla, lolulelwe pezu kwe-Yerusalem. U-Davide namadoda amakulu bezigubungele ngengubo eziwexayo, bawa pantsi ngobuso.

17 Watí u-Davide ku-Tixo, Asindim yinina otè mababalwe abantu? Yandimke owonileyo; ndenza ububi ukwenza oko; ke zona ezizimvu zenze nto-nina? Yehova Tixo wam, isandla sako masifikele mna, nendlu kabawo, singabi kubantu bako, ukuba babulawe.

18 Satí isitunywa sika-Yehova ku-Gadi, makatsho ku-Davide, enyuke u-Davide, amisele u-Yehova isibingelelo esandeni sika-Ornan um-Yebusi.

19 Wenyuka u-Davide ngelizwi lika-Gadi, awalitetayo egameni lika-Yehova.

20 Watí-gugugu u-Ornan, wasibona isitunywa; onyana bakè abane ababe naye bazimela; ke u-Ornan wayebula inqolowa.

21 Xa u-Davide wayesiza ku-Ornan, u-Ornan wabeka, wabona u-Davide, wapuma esandeni, waqubuda ku-Davide, ebekise ubuso bakè emhlabeni.

22 Watí u-Davide ku-Ornan, Ndinike lendawo yesanda, ndimakele u-Yehova kona isibingelelo; wondinika ngenani elizeleyo, sitintelwe isibeto ebantwini.

23 Watí u-Ornan ku-Davide, Yitabatele kuwe, yenze inkosi yam ukumkani okulungileyo emehlweni ayo; kangela, ndikunika inkomo-ezi ukuba zibe ngamadini anyukayo, nempahla yokubula ibe zinkuni, nenqolowa ukuba ibe ngumnikelo wokudla; ndikunika konke oko.

24 Watí ukumkani u-Davide ku-Ornan, Hayi; ndiya kusitenga ngexabiso elizalisekileyo; ngokuba andiyi kumtabatela nto iyeyako u-Yehova, ndinyuse amadini anyukayo endiwazuze ngelizè.

25 U-Davide wamnika u-Ornan ngalondawo i-shekele ze-golide ezibunzima bumakulu matandatu.

26 Wakela apo-ke u-Davide isibingelelo ku-Yehova, wanyusa amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, wanqula u-Yehova; waza yena wampendula ngomlilo ovela emazulwini pezu kwesibingelelo sedini elinyukayo.

27 Watéta u-Yehova kwisitunywa, salibuyisela esinxobeni irele laso.

28 Ngeloxesha akubona u-Davide, ukuba u-Yehova umpendule esandeni sika-Ornan um-Yebusi, waman'ebingelela kona.

29 Ke, umnquba ka-Yehova awawenzayo u-Moses entlango, nesibingelelo sedini elinyukayo, bezisesigangeni e-Gibeyon ngeloxesha.

30 U-Davide ubenge nakuya pambi kwawo amquqele u-Tixo; ngokuba ubesoyika irele lesitunywa sika-Yehova.

Digitized by Google

22 Watí u-Davide, Yiyo le indlu ka-Yehova u-Tíxo; siso esi isibingelelo sedini elinyukayo sika-Sirayeli.

2 Watí u-Davide, mabawomele kuye abasemzini abasezweni lakwa-Sirayeli. Wamisa abaqingqi bokuqingqa amatye axóliweyo okwakâ indlu ka-Tíxo.

3 U-Davide walungisa isinyiti sasininzi sezikonkwane zengcango zamasango nesezibandakanyiso, nobêdu lwaluninzi alwaba nakulinganiswa;

4 Nemi-sedare enge nakubalwa; ngokuba abase-Tsidon nabase-Tire bazisa imisedare yamininzi ku-Davide.

5 Watí u-Davide, U-Solomon unyana wam mncinane utâmbíle, ke indlu eza kwakêlwa u-Yehova yeyokukúlisa inyuse igama lakê nodumo lwakê emazweni onke; ngoko-ke ndokê ndimlungiselele. Walungisa-ke kakúlu u-Davide pâmbí kokufa kwakê.

6 Wambiza u-Solomon unyana wakê, wamwisela umtêtô wokuba amakêle u-Yehova, u-Tíxo ka-Sirayeli, indlu.

7 Watí u-Davide ku-Solomon, Nyana wam, ndandisitî entliziyweni yam, ndiya kulakêla igama lika-Yehova u-Tíxo wam indlu.

8 Kê lafika kum ilizwi lika-Yehova, lisitî, Upâlaze igazi elininzi, wenza imfazwe ezinkulu; akuyi kulakêla ndlu igama lam; ngokuba upâlaze igazi elininzi emhlabeni pâmbí kwam.

9 Yabona, uya kuzalelwa unyana; yena uya kuba yindoda yoxolo; ndiya kumpûmza ezintshabeni zakê zonke ngenxa zonke; ngokuba liya kuba ngu-Solomon igama lakê, ndiwanike uxolo nokuzola ama-Sirayeli ngemini zakê.

10 Nguye oya kulakêla igama lam indlu; yena uya kuba ngunyana kum, mna ndibe nguyise kuye, ndiyizinzise itrone yobukumkani bakê kuma-Sirayeli kude kuse epâkadeni.

11 Kaloku, nyana wam, u-Yehova makabe nawe, ube nempumelelo, uyakê indlu ka-Yehova u-Tíxo wakô, njengoko akutêtílevo ngawe.

12 Kodwa-ke, u-Yehova makakunike ukuqiqa nokuqonda, akuwisele umtêtô ngama-Sirayeli, ukuba uwugcine umyalelo ka-Yehova u-Tíxo wakô.

13 Wandule ukuba nempumelelo, xa utê wagcina wayenza imimiselo namasiko, awatí u-Yehova wamwisela u-Moses umtêtô ngawo ngenxa yama-Sirayeli. Yomelela ukâlipe; mus'ukoyika, ungaqipûk' umbilini.

14 Uyabona, ngemigudu yam indlu ka-Yehova ndiyilungisele ikúlu lamawaka etalente ze-golide, nesigidi esinye se-talente ze-silvere, nobêdu nesinyiti into enge nakulinganiswa ukuba ninzi kwayo; ndilungise nemitî namatye, nawe ungongeza kwezozinto.

15 Unabo bebaninzi abasebenzi bomsebenzi, abaxôli nencîbi zamatye nezemitî, nabalumkileyo emisebenzini yonke.

16 I-golide ne-silvere nobêdu, nesinyiti yinto enge nakubalwa. Suk'ume, wenze; u-Yehova abe nawe.

17 U-Davide wabawisela umtêtô bonke abatêtêli bakwa-Sirayeli, ukuba bamncede u-Solomon unyana wakê, *watí*,

18 Akanani yinina u-Yehova u-Tíxo wenu, wanipûmza ngenxa zonke? ngokuba wabanikela esandleni sam abemi belizweli; loyiswa ilizwe-eli pâmbí ko-Yehova napâmbí kwabantu bakê.

19 Kengoko zinikeleni intliziyo zenu nemipêfumlo yenu ekumfuneni u-Yehova u-Tíxo wenu; sukani nime niyakê ingcwele ka-Yehova u-Tíxo, ningenise umkômbê womnqopíso ka-Yehova, nempahla ezingcwele zika-Tíxo endlwini-leyo iya kwakêlwa igama lika-Yehova.

23 Kekaloku xa u-Davide wayesel' alupêle, ehambísekile ebudaleni; wamenza u-Solomon unyana wakê ukumkani kuma-Sirayeli.

2 Wabahlanganisa bonke abatêtêli bama-Sirayeli, nabenzeleleli naba-Levi,

3 Babalwa aba-Levi, kwatâtyatêlwa kwaba minyaka imashumi matâtû bezelwe, kwenyusa. Inani labo ngokwentloko zabo, indoda ngendoda, laba ngamashumi amatâtû anesibôzo amawaka.

4 Kubo aba, abokongamela umsebenzi wendlu ka-Yehova, baba ngamashumi amabini anamane amawaka; ababâli nabagwebi bangamawaka amatândatû.

5 Abamasango baba ngamawaka amane; abadumisa u-Yehova ngempahla endazenzela ukudumisa, *watsho u-Davide*, baba ngamawaka amane.

6 U-Davide wabahlula bezizahlulo ngokonyana baka-Levi, yangu-Gershon, no-Kehati, no-Merari.

Digitized by Google

7 Kuma-Gershon yangu-Ladan no-Shimehi.
8 Onyana baka-Ladan ngu-Yehiyeli omkůlu, no-Zetam, no-Yoweli, batâtů.
9 Onyana baka-Shimehi ngu-Shelomiti, no-Haziyeli, no-Haran, batâtů. Zizo ezo intloko zezindlu zoyise zika-Ladan.
10 Onyana baka-Shimehi ngu-Yahati, no-Zina, no-Yehushe, no-Beriya. Ngabo abo onyana baka-Shimehi, bane.
11 U-Yahati waye ngomkůlu, u-Ziza engowesibini; ke u-Yehushe no-Beriya bebenge nanyana baninzi; ngoko-ke baba ludidi olunye babalelwa kwindlu yoyise.
12 Onyana baka-Kehati ngu-Amram, no-Itsare, no-Hebron, no-Uziyeli, bane.
13 Onyana baka-Amram ngu-Aron no-Moses. U-Aron watwetyulelwa ukuba angcwaliswe abe yingcwele kangcwele yena nonyana bakė kude kuse epâkadeni; baqůmisele pâmbí ko-Yehova, balungiselele kuye, basikelele ngegama lakė kude kuse epâkadeni.
14 Ke u-Moses umfo wakwa-Tixo, onyana bakė babizwa ngokwesizwe sakwa-Levi.
15 Onyana baka-Moses ngu-Gershom no-Eliyezere.
16 Konyana baka-Gershom ngu-Shebuweli inkulu.
17 Konyana baka-Eliyezere ngu-Rehabeya inkulu. U-Eliyezere akabanga nanyana bambí; ke onyana baka-Rehabeya bebe baninzi bagqitisela.
18 Konyana baka-Itsare ngu-Shelomiti inkulu.
19 Konyana baka-Hebron ngu-Yeriya inkulu, no-Amariya owesibini, no-Yahaziyeli owesitâtů, no-Yekamam owesine.
20 Konyana baka-Uziyeli ngu-Mika inkulu, no-Ishiya owesibini.
21 Onyana baka-Merari ngu-Mali no-Mushi. Onyana baka-Mali ngu-Elazare no-Kishe.
22 Wafa u-Elazare enge nanyana, enentombí zodwa; zazekwa ngonyana baka-Kishe abazalwana bazo.
23 Onyana baka-Mushi ngu-Mali, no-Edere, no-Yeremoti, batâtů.
24 Ngabo abo onyana baka-Levi ngokwezindlu zoyise, intloko zezindlu zoyise ngokwababalwayo kubo, ngenani lamagama ngokwentloko zabo, besenza imisebenzi yenkonzo yendlu ka-Yehova, betâbatelâ kwaba minyaka imashumi mabini bezelwe, kwenyusa.
25 Ngokuba u-Davide ubesití, U-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ubapůmzile abantu bakê, uhleli e-Yerusalem kude kuse epâkadeni;
26 Kananjalo-ke aba-Levi akusafuneki ukuba bawutwale umnquba nempahla zawo zonke zenkonzo yawo.
27 Ngokuba ngokwamazwi ka-Davide okugqibela babalwa onyana baka-Levi, abatâbatêle kwaba minyaka imashumi mabini bezelwe, kwenyusa.
28 Ngokuba ukuma kwabo kwaba ngasesandleni sonyana baka-Aron enkonzweni yendlu ka-Yehova ezintendelezweni, nasezi-kambílini, nasekuhlanjululweni kwezinto zonke ezingcwele, nasemsebenzini wenkonzo yendlu ka-Tixo,
29 Owezonka ezirozileyo, nowomgubo onengiweyo, nowomnikelo wokudla, nowezonkana ezisicaba ezingė nagwele, nowezojiweyo nge-pani, nowento eroqiweyo, nowokulinganisa konke ngokuká nangobude;
30 Nowokuma imiso ngemiso, bebulela kuye, bemdumisa u-Yehova, benje njalo nangokuhlwa;
31 Nowokunyusa onke amadini anyukayo ku-Yehova nge-sabatâ, nasekutwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo, ngenani ngokwesiko lazo, ngamaxesha onke pâmbí ko-Yehova;
32 Bagcine isigxina sen-tente yokuhlangana, nesigxina sengcwele, nesigxina sonyana baka-Aron abazalwana babo, ukuba bakônze endlwini ka-Yehova.

24 Ke onyana baka-Aron amaqela abo ibinga-la. Onyana baka-Aron ngu-Nadabi, no-Abihu, no-Elazare, no-Itamare.
2 Bafa o-Nadabi no-Abihu pâmbí koyise, benge nanyana; baba ngabenzeleleli o-Elazare no-Itamare.
3 Wabahlula u-Davide: yangu-Tsadoki konyana baka-Elazare, yangu-Ahimeleki konyana baka-Itamare, ngodidi lwabo enkonzweni yabo.
4 Bafumaneka onyana baka-Elazare bebaninzi ngokwentloko zamagofa, ngapêzu konyana baka-Itamare. Babenje nje ukubahlula: konyana baka-Elazare intloko zezindlu zoyise zaba lishumi elinanta-

Digitized by Google

ndatû; konyana baka-Itamare zasibôzo ngokwezindlu zoyise.

5 Babahlula ngamaqashiso, aba baba naba; ngokuba abatêtêli bendawo engcwele nabatêtêli baka-Tixo bebe ngabakonyana baka-Elazare, napâkatî konyana baka-Itamare.

6 U-Shemaya unyana ka-Nataniyeli umbâli, wakuba-Levi, wababâla pâmbî kokumkani, nabatêtêli, no-Tsadoki umenzeleleli, no-Ahimeleki unyana ka-Abiyatare, nentloko zezindlu zoyise kubenzeleleli nakuba-Levi, indlu yoyise inye ipûma no-Elazare, inye ipûma no-Itamare.

7 Lapûma iqashiso lokuqala no-Yoyaribi, elesibini no-Yidaya;

8 Elesitâtû no-Harim, elesine no-Seborim,

9 Elesihlanu no-Malekiya, elesitândatû no-Miyamin,

10 Elesixênxe no-Hakotse, elesibôzo no-Abiya,

11 Elesitôba no-Yeshuwa, eleshumi no-Shekaniya,

12 Eleshumi elinanye no-Eliyashibi, eleshumi elinesibini no-Yakim,

13 Eleshumi elinesitâtû no-Hupa, eleshumi elinesine no-Yeshebabi,

14 Eleshumi elinesihlanu no-Bilega, eleshumi elinesitândatû no-Imere,

15 Eleshumi elinesixênxe no-Hezire, eleshumi elinesibôzo no-Apitsetse,

16 Eleshumi elinesitôba no-Petaya, elamashumi omabini no-Yehezekeli,

17 Elamashumi omabini analinye no-Yakin, elamashumi omabini anesibini no-Gamuli,

18 Elamashumi omabini anantâtû no-Delaya, elamashumi omabini anane no-Mahazeya.

19 Lulo olo udidi lwabo lwenkonzo yabo yokungena endlwini ka-Yehova, ngokwesiko labo elanikwa ngu-Aron uyise, njengoko wawisa umtêtô u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli.

20 Ke konyana baka-Levi abaseleyo ngaba: konyana baka-Amram ngu-Shubayeli; konyana baka-Shubayeli ngu-Yedeya.

21 Ngo-Rehabiya, konyana baka-Rehabiya intloko ngu-Ishiya.

22 Kuma-Itsare ngu-Shelomoti; konyana baka-Shelomoti ngu-Yahati.

23 Konyana *baka-Hebron* ngu-Yeriya, *inkulu*, no-Amariya owesibini, no-Yahaziyeli owesitâtû, no-Yekamam owesine.

24 Onyana baka-Uziyeli ngu-Mika; konyana baka-Mika ngu-Shamire.

25 Umkûluwa ka-Mika ngu-Ishiya; konyana baka-Ishiya ngu-Zekariya.

26 Onyana baka-Merari ngu-Mali no-Mushi, onyana baka-Yahaziya unyana wakê.

27 Kwa onyana baka-Merari ngo-Yahaziya unyana wakê, no-Shoham, no-Sakure, no-Ibri.

28 Ngo-Mali: kuvele u-Elazare, ongabanga nanyana.

29 Ngo-Kishe: onyana baka-Kishe ngu-Yerameli.

30 Onyana baka-Mushi ngu-Mali, no-Edere, no-Yerimoti. Ngabo abo onyana baba-Levi ngokwezindlu zoyise.

31 Babawisela amaqashiso nabo kwa njengabazalwana babo, onyana baka-Aron, pâmbî ko-Davide ukumkani, no-Tsadoki, no-Ahimeleki, nentloko zezindlu zoyise zabenzeleleli nezaba-Levi, inkulu zezindlu zoyise ngabaninawa babo.

25 U-Davide nabatêtêli-mkôsi babahlulela inkonzo onyana baka-Asafu no-Heman no-Yedutun, beprofeta ngehadi nangemifubê nangamacangci. Inani lawo lamadoda asebenzela inkonzo yawo laba leli:

2 Konyana baka-Asafu: ngu-Zakure, no-Yosefu, no-Netaniya, no-Asarela, onyana baka-Asafu bepêtwe ngu-Asafu, beprofeta, bepêtwe ngokomyalelo wokumkani.

3 Ku-Yedutun, onyana baka-Yedutun ngu-Gedaliya, no-Tseri, no-Yeshaya, no-Hashabiya, no-Matitiya, bebatândatû, bepêtwe nguyise u-Yedutun, eprofeta ngohadi ebulela edumisa u-Yehova.

4 Ku-Heman, onyana baka-Heman ngu-Bukiya, no-Mataniya, no-Uziyeli, no-Shebuweli, no-Yerimoti, no-Hananiya, no-Hanani, no-Eliyata, no-Gidaleti, no-Romamti-ezere, no-Yoshebekasha, no-Maloti, no-Hatire, no-Mahaziyoti.

5 Bonke aba bebe ngonyana ku-Heman, imbôni yokumkani emazwini ka-Tixo; ukuba alupâkamise upôndo. U-Tixo wamnika u-Heman onyana abalishumi elinabane nentombî ezintâtû.

6 Bonke abo bebepêtwe nguyise ekuvumeni endlwini ka-Yehova, benamacangci,

Digitized by Google

nemifubê, nehadi, bekônza endlwini ka-Tixo, bepêtwe ngokomyalelo wokumkani, no-Asafu, no-Yedutun, no-Heman.

7 Inani labo, kunye nabazalwana babo ababefundisiwe ukuvuma ingoma zika-Yehova, bonke abakwaziyo, lalingamakûlu amabini anamanci asibôzo anesibozo.

8 Bawisa amaqashiso esigxina: njengoko anjalo omncinane, wanjalo omkûlu, okwaziyo kunye nofundiswa.

9 Iqashiso lokuqala lapuma ngo-Asafu, no-Yosefu *yena, nabazalwana bake, nonyana bake baba lishumi elinambîni; iqashiso* elesibini no-Gedaliya: yena nabazalwana bakê nonyana bakê baba balishumi elinababini;

10 Elesitâtû no-Zakure: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

11 Elesine no-Itseri: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

12 Elesihlanu no-Netaniya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

13 Elesitândatû no-Bukiya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

14 Elesixênxe no-Yesharela: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

15 Elesibôzo no-Yeshaya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

16 Elesitôba no-Mataniya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

17 Eleshumi no-Shimehi: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

18 Eleshumi elinanye no-Azareli: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

19 Eleshumi elinesibini no-Hashabiya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

20 Eleshumi elinesitâtû no-Shubayeli: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

21 Eleshumi elinesine no-Matitiya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

22 Eleshumi elinesihlanu no-Yeremoti: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

23 Eleshumi elinesitândatû no-Hananiya: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

24 Eleshumi elinesixênxe no-Yashebekasha: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

25 Eleshumi elinesibôzo no-Hanani; yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

26 Eleshumi elinesitôba no-Maloti: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

27 Elamashumi omabini no-Eliyata: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

28 Elamashumi omabini analinye no-Hotire: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

29 Elamashumi omabini anambîni no-Gidaleti: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

30 Elamashumi omabini anantâtû no-Mahaziyoti: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini;

31 Elamashumi omabini anane no-Romamti-ezere: yena nonyana bakê nabazalwana bakê baba lishumi elinababini.

26 Ke amaqela abamasango: Kuma-Kora yayingu-Meshelemiya unyana ka-Kore, kubo onyana baka-Asafu.

2 Ku-Meshelemiya onyana yayingo-Zekariya owamazibulo, no-Yedihayeli owesibini, no-Zebadiya owesitâtû, no-Yateniyeli owesine,

3 No-Elam owesihlanu, no-Yohanan owesitândatû, no-Eliyohenayi owesixênxe.

4 Ku-Obede-edom onyana, yayingu-Shemaya owamazibulo, na-Yozabadi owesibini, no-Yowa owesitâtû, no-Sakare owesine, no-Nataniyeli owesihlanu,

5 No-Amiyeli owesitândatû, no-Isakare owesixênxe, no-Pehuletayi owesibôzo; ngokuba u-Tixo ebemsikelele *u-Obede*-edom.

6 Ke naku-Shemaya unyana wakê kwazalwa onyana abalaula indlu yoyise; ngokuba bebe ngamagoña anoburoti.

7 Onyana baka-Shemaya ngu-Oteni, no-Rafayeli no-Obede, no-Elizabadi, kunye nabazalwana bakê, amadoda anoburoti, u-Elihu no-Semakiya.

8 Bonke abo bakonyana baka-Obede-edom, bona nonyana babo nabazalwana babo, amadoda avileyo; enamandla e-

Digitized by Google

nkonzweni, bebe ngamashumi amatândatû anababini ku-Obede-edom.

9 U-Meshelemiya ube nonyana nabazalwana, amadoda anobuŕoti, ilishumi elinesibôzo.

10 Kwa no-Hosa wakonyana baka-Merari: ube nonyana ingu-Shimri inkulu, (ngokuba wayenge ngowamazibulo, nokoke uyise wamenza inkulu;)

11 No-Hilekiya owesibini, no-Tebaliya owesitâtû, no-Zekariya owesine; bebonke onyana nabazalwana ku-Hosa baba lishumi elinabatâtû.

12 Lomaqela abamasango, inkulu zamagoŕa, zapâtîswa izigxina kunye nabazalwana babo, ukuba balungiselele endlwini ka-Yehova.

13 Bawisa amaqashiso, ngomncinane nangomkûlu, ngokufunayo, ngokwezindlu zoyise isango ngesango.

14 Iqashiso elingasempumalanga lapûma no-Shelemiya. Ke u-Zekariya unyana wakê, umpâkatî oqikileyo, bamwisela amaqashiso; lapûma iqashiso lakê lilelangase-Ntla.

15 Elika-Obede-edom lilelangase-Zantsi; elonyana bakê lalelovimbâ.

16 Elo-Shupim no-Hosa lalelangasentshonalanga, kunye nesango le-Shalekete emendweni onyukayo, umlindo malunga nomlindo.

17 Ngasempumalanga babe batândatû aba-Levi; ngase-Ntla bebane imihla ngemihla; ngase-Zantsi bebane imihla ngemihla; kovimbâ baba ngababini ngapândle;

18 Emapândleni ngasentshonalanga babane emendweni, bababini ngapândle.

19 Ngawo la amaqela abamasango, konyana bama-Kora, nakonyana bama-Merari.

20 Ke aba-Levi, abazalwana babo bapâtâ ubuncwane bendlu ka-Tîxo nobuncwane bezinto ezingcwele.

21 Onyana baka-Ladan, bengonyana bama-Gershon alunge ku-Ladan, intloko zezindlu zoyise zakwa-Ladan um-Gershon: ngu-Yehiyeli.

22 Konyana baka-Yehiyeli ngu-Zetam no-Yoweli umninawa wakê, abapêtê ubuncwane bendlu ka-Yehova.

23 Kuma-Amram, kuma-Itsare, kuma-Hebron, kuma-Uziyeli:

24 U-Shebuweli unyana ka-Gershom, unyana ka-Moses, ebe yingânga yobuncwane.

25 Abazalwana bakê bakwa-Eliyezere ngu-Rehabiya unyana wakê, no-Yeshaya unyana wakê, no-Yoram unyana wakê, no-Zikri unyana wakê, no-Shelomoti unyana wakê.

26 Lo-Shelomoti nabazalwana bakê bapâtîswa bonke ubuncwane bezinto ezingcwele, abezingcwalisile u-Davide ukumkani, nentloko zezindlu zoyise, nabatêtelî bamawaka nabamakûlu, nabatêtêli bomkôsi.

27 Okwemfazwe nokwamaxôba, kwangcwaliselwa ukuba kulungise indlu ka-Tîxo.

28 Zonke izinto, abezingcwalisile u-Samuweli imbôni, no-Saule unyana ka-Kishe, no-Abinere unyana ka-Nere, no-Yowabi unyana ka-Tseruya, zonke izinto abezingcwalisile nabani, zabapântsi kwesandla sika-Shelomoti nabazalwana bakê.

29 Kuma-Itsare: u-Kenaniya nonyana bakê bapâtîswa umsebenzi wangapândle kwa-Sirayeli, wababâli nabagwebi.

30 Kuma-Hebron: u-Hashabiya nabazalwana bakê, amaŕoti aliwaka elinamakûlu asixênxe, bebepêtê umsebenzi wokuvelela ama-Sirayeli anganeno kwe-Yordan ngasentshonalanga, emsebenzini wonke ka-Yehova, nasenkonzweni yokumkani.

31 Kuma-Hebron u-Yeriya ebe yintloko, (kuma-Hebron ngokwenzalo zawo, ngokoyise. Ngomnyaka wamashumi omane wobukumkani buka-Davide kwafunwa, kwafunyanwa kuwo amagoŕa anobuŕoti e-Yazere yase-Giliyadi).

32 Nabazalwana bakê, amaŕoti angamawaka amabini anamakûlu asixênxe, oyise bezindlu; u-Davide ukumkani wabenza abapâtî bama-Ruben nama-Gadi nesiqingatâ sesizwe sakwa-Manase ezintweni zonke zika-Tîxo, nasezintweni zokumkani.

27 Onyana baka-Sirayeli ngokwenani labo, intloko zezindlu zoyise, nabatêtêli bamawaka nabamakûlu, nababâli babo, ababelungiselela kukumkani emicimbîni yonke yamaqela ngamaqela: angenayo napûmayo inyanga ngenyanga, ezinyangeni zonke zonyaka, liqela linye lalingamashumi amabini anamane amawaka.

2 Iqela lokuqala ngenyanga yokuqala

Digitized by Google

lalipétwe ngu-Yashobeham unyana ka-Zabediyeli; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka;

3 Konyana baka-Peretse, ibinguye eyintloko yabatêtêli bonke bemikôsi ngenyanga yokuqala.

4 Iqela lenyanga yesibini lalipêtwe ngu-Dodayi um-Ahowa; ingănga yeqela lakê ingu-Mikeloti; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

5 Umtêtêli wesitâtû womkôsi ngenyanga yesitâtû ibingu-Benaya unyana ka-Yoyada umenzeleleli, eyintloko; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

6 Ngulo-Benaya waye ligofa kumashumi amatâtû epêtê amashumi omatâtû-lawo; eqeleni lakê ingu-Amizabadi unyana wakê.

7 Owesine ngenyanga yesine ibingu-Asaheli umninawe ka-Yowabi; ingu-Zebadiya unyana wakê emva kwakê; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

8 Owesihlanu umtêtêli ngenyanga yesihlanu ibingu-Shamuti um-Izra; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

9 Owesitândatû, ngenyanga yesitândatû, ibingu-Ira unyana ka-Ikeshe, wase-Tekowa; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

10 Owesixênxe ngenyanga yesixênxe ibingu-Heletse um-Pelon, wakonyana baka-Efrayim; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

11 Owesibôzo ngenyanga yesibôzo ibingu-Sibekayi um-Husha, wakuma-Zera; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

12 Owesitôba ngenyanga yesitôba ibingu-Abiyezere wase-Anatoti, wakuma-Benyamin; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

13 Oweshumi ngenyanga yeshumi ibingu-Maharayi um-Netofa, wakuma-Zera; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

14 Oweshumi elinamnye ngenyanga elishumi elinanye ibingu-Benaya um-Piraton, wakonyana baka-Efrayim; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

15 Oweshumi elinesibini ngenyanga yeshumi elinesibini ibingu-Heledayi um-Netofa, ka-Oteniyeli; eqeleni lakê ibingamashumi amabini anamane amawaka.

16 Ke izizwe zakwa-Sirayeli zapâtwa ngaba: kuma-Ruben ingănga ibingu-Eliyezere unyana ka-Zikri; kuma-Simon ngu-Shefatiya unyana ka-Mahaka;

17 Kuba-Levi ngu-Hashabiya unyana ka-Kemuweli, kwa-Aron ngu-Tsadoki;

18 Kwesakwa-Yuda ngu-Elihu, wakubazalwana baka-Davide; kwesakwa-Isakare ngu-Omri unyana ka-Mikayeli;

19 Kwesakwa-Zebulon ngu-Ishemaya unyana ka-Obadiya; kwesakwa-Nafetali ngu-Yerimoti unyana ka-Azeriyeli;

20 Konyana baka-Efrayim ngu-Hosheya unyana ka-Azaziya; kwisiqingatâ sesizwe sika-Manase ngu-Yoweli unyana ka-Pedaya;

21 Kwisiqingatâ sika-Manase e-Giliyadi ngu-Ido unyana ka-Zekariya; kwesakwa-Benyamin ngu-Yahasiyeli unyana ka-Abinere.

22 Kwesakwa-Dan ngu-Azareli unyana ka-Yeroham. Ngabo abatêtêli bezizwe zakwa-Sirayeli.

23 U-Davide akalitâbatânga inani labaminyaka imashumi mabini bezelwe, nabangapântsi; ngokuba u-Yehova watî uya kuwandisa ama-Sirayeli njengenkwenkwezi zezulu.

24 U-Yowabi unyana ka-Tseruya walinga ukubala, akagqiba; afikelwa bubufalafume ama-Sirayeli ngenxa yoko; alangeniswa inani engxelweni yemicimbî yemihla yokumkani u-Davide.

25 Obepêtê ubuncwane bokumkani ngu-Azemavete unyana ka-Adiyeli; obepêtê ubuncwane obukovimbâ endle nasemizini nasezi-lalini nasezinqabeni ezinde ngu-Yonatan unyana ka-Uziya;

26 Obepêtê abenza umsebenzi wokulima amasimi ngu-Ezeri unyana ka-Kelubi;

27 Obepêtê izi-diliya ngu-Shimehi um-Rama; obepêtê indyebo ye-wayini yasezi-diliyeni ngu-Zabedi um-Shifemoti;

28 Obepêtê iminquma nemitômbê ebisezintilini ngu-Bahali-hanan um-Gedere; obepête indyebo ye-oli ngu-Yowashe;

29 Obepêtê inkomo ezidla e-Sharon ngu-Shitrayi um-Sharon; obepêtê inkomo ezisezintilini ngu-Shafati unyana ka-Adelayi;

Digitized by Google

30 Obepêtê in-kamela ngu-Obili um-Ishmayeli; obepêtê imazi zama-esile ngu-Yedeya um-Meronoti;

31 Obepêtê impahl' emfutshane ngu-Yazizi um-Hagri. Bonke abo bebe ngamagosa empahla ezizezokumkani u-Davide.

32 U-Yonatan uyisekazi ka-Davide ube ngumpâkatî, eyindoda enokuqonda, engumbâli yena; u-Yehiyeli unyana ka-Hakemon ube nonyana bokumkani.

33 U-Ahitofele ube ngumpâkatî wokumkani. U-Hushayi um-Arki ube likôlwane lokumkani.

34 Emveni ko-Ahitofele ibingu-Yehoyada unyana ka-Benaya, no-Abiyatare. Umtêtêli-mkôsi kakumkani ibingu-Yowabi.

28 U-Davide wababizela ndawo-nye bonke abatêtêli bama-Sirayeli, abatêtêli bezizwe, nabatêtêli bamaqela ngamaqela abalungiselela ukumkani, nabatêtêli-mawaka, nabatêtêli-makûlu, namagosa empahla yonke, nabemfuyo yokumkani neyonyana bakê, kunye nababusi namagofa, nento yonke eligofa elinobufoti, ukuba beze e-Yerusalem.

2 Wesuka wema ngenyawo u-Davide ukumkani, watî, Ndipûlapûleni, bazalwana bam, bantu bam, mna, kwakusentliziyweni yam ukuwakêla indlu yokuhlala umkômbê womnqopiso ka-Yehova, isi-tulo senyawo zika-Tixo wetû, ndalungisela ukwakâ;

3 Koko u-Tixo watî kum, Uz'ungalakêli ndlu igama lam, ngokuba uyindoda emfazwe, upâlazê igazi elininzi.

4 Ke wandinyula u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, endlwini yonke kabawo, ukuba ndibe ngukumkani kuma-Sirayeli ngonapâkade; ngokuba unyule u-Yuda ukuba abe yingânga; endlwini ka-Yuda unyule indlu kabawo; konyana bakabawo ukôlwe ndim, ukuba andenze ukumkani kuma-Sirayeli onke.

5 Nakonyana bam bonke (ngokuba undinike onyana abaninzi u-Yehova), unyule u-Solomon unyana wam, ukuba ahlale etroneni yobukumkani buka-Yehova kuma-Sirayeli.

6 Watî kum, U-Solomon unyana wakô nguye oya kwakâ indlu yam nentendelezo zam; ngokuba ndizinyulele yena ukuba abe ngunyana kum, ndibe nguyise kuye mna;

7 Ndibuzinzise ubukumkani bakê kude kuse epâkadeni, ukuba utê waqinisela ukuyenza imitêtô yam namasiko am, njengoko kunjalo namhla.

8 Ngoko-ke ndiyaniyala emehlweni ama-Sirayeli onke, ibandla lika-Yehova, nasezindlebeni zo-Tixo wetû, gcinani niyifune yonke imitêtô ka-Yehova u-Tixo wenu; ukuze nilime elilizwe lihle, nilishiye libe lilifa konyana benu emva kwenu kude kuse epâkadeni.

9 Ke wena Solomon, nyana wam, uz'umazi u-Tixo kayihlo, umkônze ngentliziyo epêleleyo, nangompêfumlo ovumayo; ngokuba u-Yehova uyazinxôka zonke intliziyo, akuqonde konke ukuyila kwengcinga *zabantu*. Ukuba utê wamfuna, wofunyanwa nguwe; ukuba utê wamshiya, wokulahla mpela.

10 Uz'ulumke-ke; ngokuba u-Yehova ukunyule ukuba wakê indlu ibe yeyengcwele; yomelela uyenze.

11 U-Davide wamnika u-Solomon unyana wake isilinganiso se-varanda, nesezindlu zayo, nese-zitora zayo, nesamagumbî ayo apêzulu, nesamagumbî ayo apâkatî, nesendlu yokucamagusha;

12 Nesilinganiso sento zonke abe nazo engcingeni yakê, esentendelezo zendlu ka-Yehova, nese-kambîli zonke ngenxa zonke, nese-kambîli zobuncwane bendlu ka-Tixo, ezobuncwane bezinto ezingcwele;

13 Nezamaqela abenzeleleli naba-Levi, nawomsebenzi wonke wenkonzo yendlu ka-Yehova, nawempahla zonke zenkonzo yendlu ka-Yehova;

14 Wanika ne-golide ngokobunzima begolide yempahla zonke zenkonzo ngenkonzo; neyempahla zonke ze-silvere ngokobunzima bempahla zonke zenkonzo ngenkonzo;

15 Nobunzima bezipâtô zezibane ze-golide, nobezibane zazo ze-golide ngokobunzima besipâtô ngesipâtô, nobezibane zazo; nobezipâtô ze-silvere ngokobunzima besipâtô, nobezibane zazo ngokwenkonzo yesipâtô ngesipâtô sezibane;

16 Wayinika e-golide ngokobunzima betafile zokucwangcisa izonka, be-tafile ngetafile, ne-silvere ye-tafile ze-silvere.

17 *Wamnika isilinganiso* se-folokwe, nesezitya zokutshiza nesendebe ze-golide ecocekileyo; nese-bêkile ze-golide, ngokobunzima be-bêkile nge-bêkile, nese-bêkile

Digitized by Google

ze-silvere ngokobunzima be-bêkile nge-bêkile;

18 Nesesibingelelo sesiqûmiselo se-golide ehluziweyo ngokobunzima; nesilinganiso senqwelo, se-kerubi ze-golide ezolula amapîko azo, zisitêlise umkômbê womnqopîso ka-Yehova.

19 Yonke lonto, *watsho u-Davide*, yonke imisebenzi yokulinganisa undiqondisile ngokubâla okuvela esandleni sika-Yehova seza pêzu kwam.

20 Watî u-Davide ku-Solomon unyana wakê, Yomelela ukâlipe, uwenze. Mus'-ukoyika, mus'ukuqîpuk'umbilini; ngokuba u-Yehova u-Tîxo, u-Tîxo wam unawe; akayi kukuyekela, akayi kukushiya, ude uwugqibe wonke umsebenzi wenkonzo yendlu ka-Yehova.

21 Nanga-ke amaqela abenzeleleli nawaba-Levi bomsebenzi wonke wendlu ka-Tîxo, banawe kuwo wonke umsebenzi bonke abaya kubunika ngokuqûtywa yintliziyo ubulumko bomsebenzi wonkê; nabatêtelî nabantu bonke bowapûlapûla amazwi akô onke.

29 Watî u-Davide ukumkani kwibandla lonke, U-Solomon unyana wam, okupêla konyuliweyo ngu-Tîxo, mncinane, utâmbile, ke umsebenzi mkûlu, ngokuba ibôtwe-eli asilelomntu, lelika-Yehova u-Tîxo.

2 Ke, ngamandla am onke indlu ka-Tîxo wam ndiyilungisele i-golide yezinto ze-golide, i-silvere yeze-silvere, ubêdu lwezobêdu, isinyiti sezesinyiti, imitî yezemitî, namatye e-berilo, nafakwayo, namatye okuhombisa, nazimfakamfele, namatye onke anqabileyo, namatye e-marmore emhlopê into eninzi.

3 Kananjalo, ekubeni ilikôlo kum indlu ka-Tîxo wam, ndinenqobo ye-golide nesilvere, endiyimisele indlu ka-Tîxo wam, engapândle kwayo yonke endiyilungisele indlu engcwele;

4 Amawaka amatâtû e-talente ze-golide yase-golideni yakwa-Ofire, amawaka asixênxe e-talente ze-silvere ehluziweyo yokwaleka indonga zezindlu;

5 Ukuba ibe yeyezinto ngezinto ze-golide ibe yeyezinto ngezinto ze-silvere, ibe yeyemisebenzi yonke yesandla sencîbi. Ngubanina-ke oqûtywa yintliziyo ukuzalisa isandla sakê namhla ku-Yehova?

6 Banikela-ke ngokuqûtywa yintliziyo abatêtêli bezindlu zoyise, nabatêtêli bezizwe zakwa-Sirayeli, nabatêtêli bamawaka nabamakûlu, nabatêtêli bomsebenzi kakumkani.

7 Banikela kwinkonzo yendlu ka-Tîxo i-golide yazi-talente ezingamawaka amahlanu ne-darike ezilishumi lamawaka; ne-silvere yazi-talente ezingamawaka alishumi, nobêdu lwazi-talente ezingamawaka alishumi elinesibôzo, nesinyiti sazi-talente ezingamawaka alikûlu.

8 Okwafumaneka kungamatye *anqabileyo* kubani, bawanikela ebuncwaneni bendlu ka-Yehova, esandleni sika-Yehiyeli um-Gershom.

9 Bakuvuyela abantu ukunikela kwabo ngokuqûtywa yintliziyo; ngokuba banikela ngokuqûtywa yintliziyo epêlelisileyo ku-Yehova. Kananjalo u-Davide ukumkani wavuya ngovuyo olukûlu.

10 U-Davide wambonga u-Yehova pâmbî kwebandla lonke; watî u-Davide, Maubongwe wena, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli ubawo wetû, kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni.

11 Bobakô, Yehova, ubukûlu, namandla, nozuko, noloyiso, nendili. Ewe konke okusezulwini nokusemhlabeni kokwakô; bobakô, Yehova, ubukumkani, upâkamile, wayintloko yento zonke.

12 Ubutyebi nozuko luvela kuwe, ulaula zonke izinto; asesandleni sakô amandla nobugofa; kusesandleni sakô ukukûlisa nokomeleza zonke izinto.

13 Kengoko, Tîxo wetû, sinokubulela kuwe, sidumise igama lakô elibekekileyo.

14 Ngokuba ndingubanina mna, bangobanina abantu bam, ukuba side sibe namandla okunika ngokuqûtywa yintliziyo njengoku? ngokuba zivela kuwe zonke izinto, sikunika okuvele esandleni sako.

15 Ngokuba singabapâmbukeli pâmbî kwakô, silundwendwe njengobawo betû bonke; injengesitûnzi imihla yetû emhlabeni apâ, kungekô tembâ lakuhlala.

16 Yehova Tîxo wetû, yonke lengxokolo siyilungisele ukulakêla indlu igama lakô elingcwele, ivela esandleni sakô, yeyakô yonke.

17 Ndiyazi, Tîxo wam, ukuba uyayicikida intliziyo, ukôliswa kokutê-tye. Mnake ekutîni-tye kwentliziyo yam, ndizinike ngokuqûtywa yintliziyo zonke ezizinto. Kaloku abantu bakô-aba bakôyo apâ, ndi-

Digitized by Google

bone ngovuyo benikela kuwe ngokuqûtywa yintliziyo.

18 Yehova, Tîxo ka-Abraham, no-Isake, no-Sirayeli, obawo betû, kugcine ngonapâkade oko ekuyileni kwengcinga zentliziyo zabantu bakô, uyibêkise kuwe intliziyo yabo.

19 U-Solomon unyana wam umnike intliziyo epêlelisileyo yokugcina imitêtô yakô, nezinqînо zakô, nemimiselo yakô, ayenze yonke, alakê elibôtwe ndililungiseleleyo.

20 Watî u-Davide kwibandla lonke, Kânibonge u-Yehova u-Tîxo wetû. Labonga-ke ibandla lonke u-Yehova u-Tîxo woyise, batôba baqubuda ku-Yehova nakukumkani.

21 Babingelela ku-Yehova imibingelelo, banyusa amadini anyukayo ku-Yehova kwakusa ngengomso, inkunzi ezintsha zenkomo zaliwaka, inkunzi zegusha zaliwaka, imvana zaliwaka, neminikelo yawo etûlulwayo, nemibingelelo yoxolo emininzi ngenxa yama-Sirayeli onke;

22 Badla basela ngalomini pâmbî ko-Yehova ngovuyo olukûlu, u-Solomon unyana ka-Davide bamenza ukumkani, ngokwesibini, bamtâmbîsa pâmbî ko-Yehova ukuba abe yingănga, no-Tsadoki abe ngumenzeleleli.

23 Wahlala-ke u-Solomon e-troneni ka-Yehova, engukumkani esikûndleni sika-Davide uyise, wanempumelelo; ambeka onke ama-Sirayeli.

24 Bonke abatêtêli, namagofa, kwa nonyana bonke bokumkani u-Davide, basilulamela isandla sika-Solomon ukumkani.

25 U-Yehova wamenza mkûlu u-Solomon, wampâkamisa emehlweni ama-Sirayeli onke, wamnika indili yobukumkani engabangakô kokumkani bonke bama-Sirayeli ababe ngapâmbî kwakê.

26 Kekaloku u-Davide unyana ka-Isayi waye ngukumkani wama-Sirayeli onke.

27 Imihla awaye ngukumkani kuma-Sirayeli ibi yiminyaka emashumi mane; e-Hebron waye ngukumkani iminyaka esixênxe, e-Yerusalem waye ngukumkani iminyaka emashumi matâtû anamitâtû.

28 Wafa-ke, eyingwevu enkulu, ehambisekile ebudaleni, enobutyebi nozuko; u-Solomon unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

29 Izinto zika-Davide ukumkani, ezokuqala nezokupêla, nanzo zibâliwe emicimbîni ka-Samuweli imbôni, nasemicimbîni ka-Natan um-profeti, nasemicimbîni ka-Gadi imbôni;

30 Kunye nobukumkani bakê bonke, nobugofa bakê, nezinto ezamhlelayo yena, nama-Sirayeli, nezikumkani zonke zamazwe.

INCWADI YESIBINI YEZI-KRONIKE.

ISIQENDU I.

U-SOLOMON unyana ka-Davide womelela ebukumkanini bakê; u-Yehova u-Tîxo wakê waba naye, wamenza mkûlu, wampâkamisa.

2 Watêtâ u-Solomon kuma-Sirayeli onke, kubatêtêli bamawaka nabamakûlu, nakubagwebi, kwizikûlu zonke, kuma-Sirayeli onke, kwintloko zezindlu zoyise;

3 Baya-ke o-Solomon nebandla lonke-elo esigăngeni ebesise-Gibeyon; ngokuba yabi kôna in-tente yokuhlangana ka-Tîxo, awayenzayo u-Moses umkônzi ka-Tîxo entlango.

4 Ke wona umkômbê ka-Tîxo wayewunyusile u-Davide e-Kiriyati-yeharim, wawusa kulondawo abewulungisele yona u-Davide; ngokuba wayewumisele in-tente e-Yerusalem.

5 Isibingelelo sobêdu, abesenzile u-Betsaleli unyana ka-Uri, unyana ka-Huri, sasilapô pâmbî komnquba ka-Yehova, bamquqela *u-Yehova* o-Solomon nebandla *kwisibingelelo eso.*

6 Wenyusa kôna u-Solomon esibingele-

Digitized by Google

lweni sobêdu pâmbî ko-Yehova, esibe singasen-tenteni yokuhlangana, wenyusa kuso amadini anyukayo aliwaka.

7 U-Tîxo wabonakala ngobobusuku ku-Solomon, watî kuye, Cela into, ndikupê.

8 Watî u-Solomon ku-Tîxo, Wena wenze ku-Davide ubawo inceba enkulu, wandenza ukumkani esikûndleni sakê.

9 Kaloku, Yehova Tîxo, malinyaniseke ilizwi lakô owalenza ku-Davide ubawo; ngokuba wena undenze ukumkani wabantu abaninzi njengotûli lomhlaba.

10 Ndinike kaloku ubulumko nokwazi, ndipûme ndingena pâmbî kwababantu; ngokuba ngubanina onokubalaula ababantu bakô bangaka?

11 Watî u-Tîxo ku-Solomon, Ngenx' enokuba lonto ibisentliziyweni yakô, akwacela ubutyebi, nenzuzo, nozuko, nobomi bentshaba zakô; kananjalo akwacela imihla emininzi, wasuka wazicelela ubulumko nokwazi, ukuze ubalaule abantu bam, endikwenze ukumkani kubo;

12 Ubunikiwe ubulumko nokwazi; ndiya kukunika ubutyebi, nenzuzo, nozuko, ekungabangakô unjalo kokumkani ababe pâmbî kwakô, ekungayi kubakô unjalo emva kwakô.

13 Wabuya-ke u-Solomon esigângeni ebesise-Gibeyon, weza e-Yerusalem, esuka pâmbî kwen-tente yokuhlangana, waba ngukumkani kuma-Sirayeli.

14 U-Solomon wahlanganisa inqwelo zokulwa namahashe akwelwayo; waba newaka elinamakûlu amane enqwelo zokulwa, namawaka alishumi elinamabini amahashe akwelwayo; wazibeka emizini yenqwelo, nakukumkani e-Yerusalem.

15 Ukumkani wayenza i-silvere ne-golide yaninzi njengamatye e-Yerusalem, nemi-sedare wayenza yanjengemitômbê esesihlanjeni ukuba mininzi.

16 Ukupûma kwamahashe abe ngaka-Solomon e-Yiputa; latî igqiza labatêngela ukumkani latâbatâ igqiza lawo ngenani elitîle.

17 Bapuma nenqwelo e-Yiputa bayitênga ngamakûlu amatândatû e-shekele zesilvere, nehashe ngekûlu elinamanci mahlanu; benje njalo-ke bona ngokwabo ukubatûtêla amahashe okumkani bonke bama-Heti nokumkani bama-Aram.

2 U-Solomon wacinga ukulakêla indlu igama lika-Yehova nokubakêla indlu ubukumkani bakê.

2 U-Solomon wamisa amashumi osixênxe amawaka amadoda angabatwali, namashumi asibôzo amawaka amadoda angabaqingqi *bamatye* nangabasebenzi bemitî, ezintabeni, nabongameli bawo abangamawaka amatâtû anamakûlu matândatû.

3 Watûmela u-Solomon ku-Huram ukumkani wase-Tire, watî, Njengoko wakwenzayo ku-Davide ubawo, watûmela kuye imi-sedare yokuzakêla indlu yokuba ahlale kuyo, *yenje njalo nakum.*

4 Yabona, ndilakêla indlu igama lika-Yehova u-Tîxo wam, ukuba ingcwaliselwe yena, kuqûnyiselwe pâmbî kwakê isiqûmiso esiqôliweyo, kucwangciswe ngamaxesha onke ukucwangciswa kwezonka, kunyuswe amadini anyukayo kusasa nangokuhlwa, nge-sabatâ, nasekutwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo ngu-Yehova u-Tîxo wetû, yeyapâkade lonto kuma-Sirayeli.

5 Indlu endiyakâyo inkulu; ngokuba mkûlu u-Tîxo wetû kotîxo bonke.

6 Ngubanina onamandla ukumakêla indlu; ngokuba izulu nezulu lawo amazulu alimlingene? ndingubani-na-ke mna, ukuba ndimakêle indlu, ingaba yeyokuqûmisela pâmbî kwakê kodwa?

7 Nditûmele-ke ngoku indoda enobugcisa ukusebenza nge-golide, nange-silvere, nangobêdu, nangesinyiti, nangemisonto emfusa nebomvu nemsi, ekwaziyo ukurola ndawonye nabalumkileyo abakum kwa-Yuda nase-Yerusalem, abalungiswayo ngu-Davide ubawo.

8 Nditûmele nemi-sedare nemi-sipres, nemi-aligumi, evela e-Lebanon; ngokuba ndiyazi mna ukuba abakônzi bakô bayakwazi ukugaula imitî e-Lebanon. Yabona, abakônzi bam bohambâ nabakônzi bakô,

9 Bandilungisele imitî emininzi; ngokuba indlu endiyakâyo inkulu ngokubalulekileyo.

10 Yabona, abaqingqi abo nabasebenzi bemitî, abakônzi bakô abo ndobanika inqôlowa ukuba ibe kukudla, i-kore ezingamawaka angamashumi mabini, ne-fasi i-kore ezingamawaka angamashumi mabini, nebâte ze-wayini ezingamawaka angamashumi mabini, ne-bâte ze-oli ezingamawaka angamashumi mabini.

Digitized by Google

11 U-Huram ukumkani wase-Tire watûmela ku-Solomon, ngokubâla, watî, U-Yehova, ngokubatânda kwakê abantu bakê ukumisile ukuba ube ngukumkani kubo.

12 Watî u-Huram, Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, owenza izulu nomhlaba, omnikileyo u-Davide ukumkani unyana olumkileyo, owaziyo, oqiqayo, oqondayo, oya kumakêla indlu u-Yehova nendlu yobukumkani bakê.

13 Ngoko nditûmela indoda eligcisa, eyaziyo, eqondayo, u-Huram u-Abifi,

14 Unyana wentokazi yasezintombîni zakwa-Dan, uyise ngumfo wase-Tire, okwaziyo ukusebenza nge-golide, nange-silvere, nangobêdu, nangesinyiti, nangamatye, nangemitî, nangemisonto emfusa nemsi, nange-linen ecikizekileyo, nangemisonto ebomvu, nokufola konke, nokuyila zonke intlobo zomsebenzi awapâtîsiweyo, ndawonye nezilumko zakô, nezilumko zenkosi yam u-Davide uyihlo.

15 Inqôlowa-ke, ne-fasi, ne-oli, ne-wayini, etêtê ngazo inkosi yam, mayizitûmele kubakônzi bayo;

16 Ke tîna sogaula imitî e-Lebanon njengokufuna kwakô konke, siyizise kuwe e-Yafo[1] ngokuyidadisa elwandle, uyinyuse wena, uyise e-Yerusalem.

17 U-Solomon wawabala onke amadoda angawasemzini, abe sezweni lama-Sirayeli, emva kokubala awawabala ngako u-Davide uyise, afumaneka elikûlu elinamanci amahlanu amawaka, enesitâtû samawaka, anamakûlu amatândatû.

18 Wamisa amashumi asixênxe amawaka kuwo angabatwali, namashumi asibôzo amawaka angabasebenzi bemitî nabaqingqi bamatye ezintabeni, namawaka amatâtû anamakûlu amatândatû angabongameli bokusebenzisa abantu.

3 U-Solomon waqala ukuyakâ indlu ka-Yehova e-Yerusalem, entabeni ye-Moriya, apô u-Yehova wabonakala kôna ku-Davide uyise, endaweni awayilungisayo u-Davide, esandeni sika-Ornan um-Yebusi.

2 Waqala ukwakâ ngenyanga yesibini, ngowesibini umhla, ngomnyaka wesine wobukumkani bakê.

3 Siso isiseko awasibekayo u-Solomon ekuyakêni kwakê indlu ka-Tîxo; ubude i-kubite ngokomlinganiso omdala bebuzikubite ezimashumi matândatû, ububanzi bebuzi-kubite ezimashumi mabini.

4 I-varanda, ebingapambîli kobude bendlu, ibizi-kubite ezimashumi mabini ingangobubanzi bendlu, nokupâkama kwayo kwakuzi-kubite ezilikûlu elinamanci mabini; wayaleka ngapâkatî nge-golide ecocekileyo.

5 Indlu enkulu wayaleka ngemi-sipres, wayaleka-ke yona nge-golide entle, wenza kuyo amasundu nezidanga.

6 Wayivatîsa indlu ngamatye anqabileyo ukuyihombîsa, i-golide-leyo ibiyi-golide yase-Parvayim.

7 Wayaleka indlu, imiqadi, nemigubasi, nendonga zayo, nengcango zayo nge-golide, wafola i-kerubi ezindongeni.

8 Wenza indlu yengcwele kangcwele: ubude bayo ngangobubanzi bendlu, bebuzi-kubite ezimashumi mabini, nobubanzi bayo bebuzi-kubite ezimashumi mabini; wayaleka nge-golide entle, ekwi-talente ezimakûlu matândatû.

9 Ubunzima bezikônkwane bebuzi-shekele ezimashumi mahlanu ze-golide. Wawaleka nge-golide amagumbî apêzulu.

10 Wenza endlwini yengcwele kangcwele i-kerubi ezimbîni; zafolwa ukusetyenzwa kwazo; wazaleka nge-golide.

11 Amapîko e-kerubi ubude bawo bebuzi-kubite ezimashumi mabini; ipîko elinye belizi-kubite ezintlanu, lada laya kufikelela eludongeni lwendlu; nelinye ipîko belizi-kubite ezintlanu, ukuya kufikelela epîkweni leyesibini i-kerubi.

12 Ipiko lenye i-kerubi belizi-kubite ezintlanu, ukuya kufikelela eludongeni lwendlu; nelesibini ipîko belizi-kubite ezintlanu, ukuya kuhlangana nepîko lenye i-kerubi.

13 Amapîko ezo-kerubi oluka i-kubite ezimashumi mabini; zema ngenyawo, zikângelise ubuso kuyo indlu.

14 Wawenza umahlulo ngemisonto emsi nemfusa nebomvu, ne-linen ecikizekileyo; wenza i-kerubi kuwo.

15 Wenza pâmbî kwendlu intsika zambîni: zazi-kubite ezimashumi matâtû anantlanu ubude bazo; inqûkuva esemantloko azo ibizi-kubite ezintlanu.

16 Wenza izidanga emqaleni, wazibeka emantloko entsika; wenza ikûlu le-farnate, wazibeka ezidangeni.

17 Wazimisa intsika pâmbî kwebôlwe, enye yangasekunene, enye yangasekôhlo;

[1] i-Yopa kwi-Test. entsha.

Digitized by Google

watĩ igama leyasekúnene ngu-Zinzisayo, negama leyasekôhlo ngu-Mandla-kuye.

4 Wenza isibingelelo sobêdu: bazi-kubite ezimashumi mabini ubude baso, bazi-kubite ezimashumi mabini ububanzi baso, kwazi-kubite ezilishumi ukupâkama kwaso.

2 Wenza ulwandle olutŷidiweyo: lwazi-kubite ezilishumi ukusuka kolunye udini uye kolunye udini lwalo; lwayinqila ngenxa zonke, lwazi-kubite ezintlanu ukupâkama kwalo; wazi-kubite ezimashumi matâtû umtya ojikeleyo kulo ngenxa zonke.

3 Yangumfuziselo wamatângazana ngapântsi kodini ngenxa zonke, alujikeleza ngenxa zonke: alishumi e-kubitini, aluzunguleza ulwandle; yamibini imirozo yamatângazana itŷidiwe ekutŷidweni kwalo.

4 *Ulwandle* lwema pezu kwenkomo ezilishumi elinambĩni: ezintatû zibêke e-Ntla, ezintâtû zibêke entshonalanga, ezintatû zibêke e-Zantsi, ezintatû zibêke empumalanga; ulwandle lubekwe pezu kwazo ngapêzulu, imiva yazo yonke isinge pâkatĩ.

5 Ubunqqingqwa balo bebungangobubanzi besandla, udini lwalo belwenziwe lwanjengodini lwendêbe, lwanentyantyambô zenyibiba, lungena i-bâte ezimawaka matâtû.

6 Wenza izitya zokuhlambêla zalishumi; wabeka zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekôhlo, ukuze kuhlanjwe kuzo, kuhlanjululwe into yomsebenzi wedini elinyukayo kuzo; ke lona ulwandle belulolokuze abenzeleleli bahlambê kulo.

7 Wenza izipâtô zezibane ze-golide zalishumi ngokwesiko lazo, wazimisa ebôtwe: zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekôhlo.

8 Wenza i-tafile ezilishumi, wazimisa ebôtwe: zazihlanu ngasekunene, zazihlanu ngasekôhlo. Wenza ikûlu lezitya zokutshiza ze-golide.

9 Wenza intendelezo yabenzeleleli, nentendelezo enkulu, nengcango zentendelezo; wazaleka ingcango zazo ngobêdu.

10 Walubeka ulwandle ngecala lasekunene layo indlu, lwabêka ngase-Zantsi.

11 U-Huram wenza imbiza, nemihlakulwana, nezitya zokutshiza. U-Huram wagqiba ukuwenza umsebenzi, abewenzela ukumkani u-Solomon endlwini ka-Tixo.

12 Intsika zombĩni, nembûmbâ, nenqûkuva ebezisemantloko entsika zombĩni, neminatâ yomibini yokuzunguleza imbûmbâ zombini zenqûkuva, ebezisemantloko entsika;

13 Ne-farnate ezimakûlu mane zeminatâ yomibini; yamibini imirozo ye-farnate mnatêni mnye, yokuzunguleza imbûmbâ ezimbĩni zenqûkuva, ebezisezintsikeni zombĩni.

14 Wenza inqwelana; wenza nezitya zokuhlambêla ezinqwelaneni.

15 Ulwandle lwalunye, lwanenkomo ezilishumi elinambĩni ngapântsi kwalo.

16 Nembĩza, nemihlakulwana, ne-folokwê, ezompahla-ke zonke u-Huram uyise wazenzela ukumkani u-Solomon, zizezendlu ka-Yehova ngobêdu olukâzimlisiweyo.

17 Ukumkani wazitŷidela kummandla wase-Yordan emhlabeni oludongwe, pâkatĩ kwe-Sukoti ne-Tseredata.

18 Wazenza u-Solomon zonke ezompahla zaninzi kakûlu; bada ubunzima bobêdu-olo ababa nakufunyanwa.

19 Wazenza u-Solomon zonke impahla zendlu ka-Tixo, nesibingelelo se-golide netafile ebezipezonka zokubonisa,

20 Nezipâtô ezinezibane zazo nge-golide etê-shinyi, ukuze zivutê ngokwesiko pâmbi kwendawo yezihlabo;

21 Nentyantyambô, nezibane, nezifinyiso ze-golide, yona iyi-golide eyonke;

22 Nezitshetshe, nezitya zokutshiza, nenkambâ, nengcedevu ze-golide etê-shinyi. Umnyango-ke wendlu, ingcango zawo ezingapâkatĩ zengcwele kangcwele, nengcango zendlu yebôtwe zazeze-golide.

5 Wagqitywa-ke yonke umsebenzi awawenzela indlu ka-Yehova u-Solomon. U-Solomon wazingenisa izinto abe zingcwalisile u-Davide uyise, ne-silvere, ne-golide, nempahla yonke, wazibeka ebuncwaneni bendlu ka-Tixo.

2 Waza u-Solomon wawabizela ndawonye amadoda amakûlu akwa-Sirayeli, nentloko zonke zezizwe, nezikûlu zezindlu zoyise zakonyana baka-Sirayeli e-Yerusalem, ukuba bawunyuse umkômbê womnqopiso ka-Yehova emzini ka-Davide: yi-Tsiyon ke-leyo.

3 Abizelwa ndawo-nye kukumkani onke amadoda akwa-Sirayeli emtêndelekweni lowo wenyanga yesixênxe.

Digitized by Google

4 Eza-ke onke amadoda amakûlu akwa-Sirayeli. Bawutwala aba-Levi umkômbê,
5 Bawunyusa umkômbê, nen-tente yokuhlangana, nempahla zonke zengcwele, ebezisen-tenteni, bazinyusa abenzeleleli naba-Levi.
6 Ke ukumkani u-Solomon nebandla lonke lama-Sirayeli, ebelihlanganiselwe kuye pâmbî komkômbê, babingelela impahl' emfutshane, nenkomo ezinge nakubalwa, ezinge nakulinganiswa ukuba zininzi kwazo.
7 Bawungenisa abenzeleleli umkômbê womnqopîso ka-Yehova endaweni yawo, endaweni yezihlabo yendlu, engcweleni kangcwele, pântsi kwamapîko e-kerubi;
8 Ngokuba i-kerubi ,aziwolule amapîko pêzu kwendawo yomkômbê; i-kerubi zawusitêlisa umkômbê nezibonda zawo ngapêzulu.
9 Zazizide izibonda, zibonakala incam zezibonda, zivelile emkômbêni pâmbî kwendawo yezihlabo; azabonakala ngapândle, zisekôna unanamhla.
10 Kwakungekô nto emkômbêni, zayingalomacwecwe mabini kupêla, wawabekayo kuwo u-Moses e-Horebe, oko u-Yehova wanqopîsana nonyana baka-Sirayeli ekupûmeni kwabo e-Yiputa.
11 Kwatî ekupûmeni kwabenzeleleli engcweleni, (ngokuba bonke abenzeleleli abafumanekayo babezingcwalisile; akabi nakugcinwa amaqela;
12 Naba-Levi abazimvumi, bonke bepêla bona aba, o-Asafu, no-Heman, no-Yedutun, nonyana babo nabazalwana babo, bambêtê i-linen ecikizekileyo, benamacangci nemifubê nehadi, bema ngasempumalanga esibingelelweni, benekûlu elimanci mabini labenzeleleli, bevutêla ngamaxilongo;)
13 Kwatî-ke abavuteli bamaxilongo nemvumi bavakalisa njengamntu-mnye, ngazwi nye bedumisa, bebulela ku-Yehova. Bati-ke bakupâkamisa izwi ngamaxilongo nangamacangci nangempahla zokuvuma, nangokumdumisa u-Yehova, besitî, Ulungile, inceba yakê ingunapâkade: yesuka indlu yazala lilifu lendlu ka-Yehova;
14 Abenzeleleli ababi nakuma balungiselele ngenxa yelifu; ngokuba ubuqaqauli buka-Yehova bayizalisa indlu ka-Tîxo.

6 Waza watî u-Solomon, U-Yehova watî uya kuhlala esitôkotôkweni.
2 Mna-ke ndikwakêle indlu yokuhlala, indawo yokuba uhlale ngonapâkade.
3 We-guququ ukumkani ngobuso, walisikelela lonke ibandla lakwa-Sirayeli; lonke ibandla lakwa-Sirayeli lema.
4 Watî, Makabongwe u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, owatêtâyo ngomlomo wakê ku-Davide ubawo, wakuzalisa ngesandla sakê, esitî,
5 Kususela kwimini endabakûpâyo abantu bam ezweni lama-Yiputa, andinyulanga mzi ezizweni zonke zakwa-Sirayeli wokwakâ indlu yokuba igama lam libe kuyo; andinyulanga ndoda yokuba yingânga yabantu bam ama-Sirayeli;
6 Ndanyula i-Yerusalem, ukuba igama lam libe kôna; ndanyula u-Davide ukuba abe pêzu kwabantu bam ama-Sirayeli.
7 Kwaye kukô entliziyweni ka-Davide ubawo ukulakêla indlu igama lika-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.
8 Watî u-Yehova ku-Davide ubawo, Ngenx' enokuba kwakukô entliziyweni yakô ukutî ulakêle indlu igama lam, walungisa ngokutî kubekô entliziyweni yakô oko;
9 Noko-ke ayisokê indlu yakîwe nguwe; unyana wakô opûma esinqeni sakô, nguye oya kulakêla indlu igama lam.
10 Ulimisile-ke u-Yehova ilizwi lakê awalitêtâyo; ndivelile esikûndleni sika-Davide ubawo, ndahlala e-troneni yakwa-Sirayeli, njengoko wakutêtâyo u-Yehova, ndalakêla indlu igama lika-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli,
11 Ndawubeka kôna umkômbê, apô ukôna umnqopîso ka-Yehova, awawenzayo nonyana baka-Sirayeli.

12 Wema-ke pâmbî kwesibingelelo sika-Yehova, pâmbî kwebandla lonke lakwa-Sirayeli, wazolula izandla zakê;
13 (Ngokuba u-Solomon wayenze itêko lobêdu, walibeka esazulwini sentendelezo, lazi-kubite ezintlanu ubude balo, i-kubite ezintlanu ububanzi balo, i-kubite ezintatû ukupâkama kwalo; wema pêzu kwalo, waguqa ngamadolo pâmbî kwebandla lonke lama-Sirayeli, wazolulela ezulwini izandla zakê;)
14 Watî, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, akukô Tîxo unjengawe ezulwini nasemhlabeni; ubagcinelayo umnqopîso nenceba abakônzi bakô, ababahambâ pâmbî kwakô ngentliziyo yabo yonke;
15 Wena umgcineleyo umkônzi wakô u-

Digitized by Google

Davide ubawo oko wakutêtâyo kuye, wakutêtâ ngomlomo wakô, wakuzalisa ngesandla sakô, njengoko kunjalo namhla.

16 Kaloku, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, mgcinele umkônzi wakô u-Davide ubawo oko wakutêtâyo kuye, usitî, Akuyi kunqunyukelwa ndoda ebusweni bam yokuhlala e-troneni yakwa-Sirayeli: ukuba kodwa batê onyana bakô bayigcina indlela yabo, bahambâ ngomyalelo wam, njengokuba uhambîle wena pâmbî kwam.

17 Kaloku, Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, makanyaniseke amazwi akô, owawatêtâyo kumkônzi wakô u-Davide.

18 Gxebe u-Tîxo angade ahlale nabantu emhlabeni-na? Yabona, izulu, izulu lawo amazulu alikulingene, hina-ke yona lendlu ndiyakîleyo!

19 Noko-ke, kunonelele ukutândaza komkônzi wakô nokutafuzisa kwakê, Yehova Tîxo wam, ukupûlapûle ukumemelela nokutândaza, atândaza ngako umkônzi wakô pâmbî kwakô,

20 Ukuba amehlo akô akângele kulendlu imini nobusuku, kwindawo otê uya kulibeka igama lako kuyo, upûlapûle umtândazo atândaza ngawo umkônzi wakô kulendawo.

21 Pûlapûla ukutafuzisa komkônzi wakô, nabantu bakô ama-Sirayeli, abaya kutândaza ngako kulendawo: uve-ke wena endaweni ohlala kuyo ezulwini, uve-ke, uxolele.

22 Xa atê umntu wônа uwabo, watwaliswa isifungo wafungiswa, weza wafunga pâmbî kwesibingelelo sakô kulendlu:

23 Yiva-ke wena ezulwini, wenze, ugwebe kubakônzi bakô, umbuyisele ongendawo, uyibeke indlela yakê entloko yakê; umgwebele olilungisa, umnike ngokobulungisa bakê.

24 Ukuba batê abantu bakô ama-Sirayeli boyiswa zintshaba zabo, kuba bekonile, baza babuya balivuma igama lakô, batândaza batafuzisa pâmbî kwakô kulendlu:

25 Yiva-ke wena ezulwini, usixolele isono sabantu bakô ama-Sirayeli, ubabuyisele emhlabeni owawunika bona noyise.

26 Xa litê izulu lavalwa, akwabikô mvula, kuba bekonile, baza batândaza bekulendawo, balivuma igama lakô, babuya esonweni sabo, ngokuba ubacinezele:

27 Yiva-ke wena ezulwini, usixolele isono sabakônzi bakô, abantu bakô ama-Sirayeli, ngokuba ubafundisa indlela elungileyo abakuhambâ ngayo, unise imvula ezweni lakô, olinike abantu bakô ukuba libe lilifa.

28 Xa kutê kwakô indlala elizweni, xa kutî kwakô indyikitya yokufa, xa kutê kwako imbâbala, nexoshombâ, nenkumbî ezinqunqutayo; xa zitê intshaba zabangqinga elizweni, emizini yabo; nokuba sisipî isibêtô, nokuba sisipî isifo esitê sakô;

29 Ukutândaza nokutafuzisa nokuba kukupî, okutê kwenziwa ngubani, nokuba ngabantu bakô bonke ama-Sirayeli, abatê basazi elowo isibetô sâke, nesinqâla sakê, bazolulela kulendlu izandla zabo:

30 Yiva-ke wena ezulwini, endaweni ohlala kuyo, uxolele, umnike elowo ngokwendlela zakê zonke, ngokuyazi kwakô intliziyo yakê; (ngokuba nguwe wedwa ozaziyo intliziyo zonyana baka-Adam),

31 Ukuze bakoyike, bahambê ngendlela zakô, yonke imihla abahleli ngayo ezweni owalinika obawo.

32 Kananjalo owolunye uhlanga onge ngowabantu bakô ama-Sirayeli, xa atê wavela ezweni elikude ngenxa yegama lakô elikûlu, nesandla sakô esitê-nqi, nengalo yakô eyolulweyo; beza batândaza bekulendlu:

33 Yiva-ke wena ezulwini, endaweni ohlala kuyo, wenze ngako konke atê wakunqula owolunye uhlanga, ukuze zonke izizwe zomhlaba zilazi igama lakô, zikoyike njengabantu bakô ama-Sirayeli, zazi ukuba lendlu ndiyakîleyo ibizwa ngegama lakô.

34 Xa batê abantu bakô bapûma, baya kulwa nentshaba zabo, ngendlela obatûme ngayo, batândaza kuwe, babêkisa kulomzi uwunyulileyo, nakulendlu ndiyakêle igama lakô:

35 Yiva-ke ezulwini umtândazo wabo nokutafuzisa kwabo, ubagwebele.

36 Xa batê bakôna, (ngokuba akukô mntu ungoniyo,) wabanomsindo, wabanikela elutshabeni, batî abatîmbî babatîmbâ, babasa ezweni nokuba likude, nokuba likufupî;

37 Baza bakunyamekela oko ngentliziyo kwelozwe batînjelwe kulo, babuya, batafuzisa kuwe ezweni labababatîmbîleyo, besitî, Sonile, sagwenxa, senza okungendawo;

38 Babuyela kuwe ngentliziyo yabo yonke nangompêfumlo wabo wonke, bekwelozwe labatîmbî ababatîmbîleyo, batânda-

Digitized by Google

za, babêkisa elizweni labo owalinika oyise, kulomzi uwunyulileyo, kulendlu ndiyakêle igama lakô:

39 Yiva-ke ezulwini, endaweni ohlala kuyo umtândazo wabô nokutafuzisa kwabo, ubagwebele, ubaxolele abantu bakô abakonileyo.

40 Kaloku, Tixo wam, makavuleke amehlo akô, zibazele indlebe zakô ukutândaza okukulendawo.

41 Kaloku, Yehova Tixo, pâkamela endaweni yokupûmla kwakô, wena nomkômbê wamandla akô. Abenzeleleli bakô, Yehova Tixo, mabambâtê usindiso; abakô benceba bavuye ngokulungileyo.

42 Yehova, Tixo, mus'ukumlandulela umtânjiswa wakô; kûmbûla inceba owazitêmbisa ku-Davide, umkônzi wakô.

7 Kekaloku akugqiba u-Solomon ukutândaza, umlilo wehla ezulwini, walidla idini elinyukayo nemibingelelo; ubuqaqauli buka-Yehova bayizalisa indlu.

2 Abenzeleleli ababi nakungena endlwini ka-Yehova, ngokuba ubuqaqauli buka-Yehova bayizalisa indlu ka-Yehova.

3 Bonke onyana baka-Sirayeli, bakubona ukuhla komlilo, nobuqaqauli buka-Yehova bupêzu kwendlu, baguqa, babêkisa ubuso babo emhlabeni pêzu kombekelelo wamatye, baqubuda, babulela ku-Yehova, *besiti*, Ulungile, inceba yakê ingunapâkade.

4 Ukumkani nabantu bonke babingelela imibingelelo pâmbî ko-Yehova.

5 Wabingelela ukumkani u-Solomon umbingelelo wenkomo ezimawaka amashumi mabini anamabini, nempahla emfutshane engamawaka alikûlu elinamanci mabini. Bayisungula indlu ka-Tixo ukumkani nabantu bonke.

6 Abenzeleleli bema ezigxineni zabo; naba-Levi benempahla zokuvuma zika-Yehova, awazenzayo u-Davide ukumkani ukuba kubulelwe ku-Yehova, ngokuba ingunapâkade inceba yakê, ekudumiseni kuka-Davide ngezandla zabo. Abenzeleleli bavutêla amaxilongo pâmbî kwabo, emi onke ama-Sirayeli.

7 U-Solomon wawungcwalisa umpâkatî wentendelezo ebipâmbî kwendlu ka-Yehova; ngokuba ubenze kôna amadini anyukayo namanqatâ emibingelelo yoxolo; ngokuba isibingelelo sobedâ, awasenzayo u-Solomon, besingenakô ukulilingana lonke idini elinyukayo nomnikelo wokudla, namanqatâ.

8 U-Solomon wenza-ke umtêndeleko ngeloxesha intsuku zasixênxe, enama-Sirayeli onke, ibandla elikûlu kunene, elitâbatêle ekungeneni kwe-Hamati, lesa emlanjeni wase-Yiputa.

9 Benza ngomhla wesibôzo ingqungqutêla; ngokuba ukusungulwa kwesibingelelo bakwenza intsuku zasixênxe, nomtêndeleko intsuku zasixênxe.

10 Ngomhla wamashumi omabini anântatû wenyanga yesixênxe wabandlulula abantu; baya ezin-tenteni zabo bevuya, beewâyitile ngenxa yokulunga awakwenzayo u-Yehova ku-Davide, naku-Solomon, nakuma-Sirayeli abantu bakê.

11 Wayigqiba-ke u-Solomon indlu ka-Yehova nendlu yokumkani, nento yonke ekwatî-qata entliziyweni ka-Solomon ukuba ayenze endlwini ka-Yehova nasendlwini yakê, wayipûmelelisa.

12 Wabonakala u-Yehova ku-Solomon ebusuku, watî kuye, Ndikuvile ukutândaza kwakô, ndizinyulele lendawo ukuba ibe yindlu yokubingelela.

13 Ukuba nditê ndalivala izulu, akwabikô mvula, ukuba nditê ndaziwisela umtêtô inkumbî, ukuba zilidle ilizwe, nokuba nditê ndatûmela ebantwini bam indyikitya yokufa;

14 Batôba-ke abantu bam, ababizwa ngegama lam, batândaza, bafuna ubuso bam, babuya ezindleleni zabo ezimbî; ndiya kuva mna ezulwini, ndibaxolele izono zabo, ndilipîlise ilizwe labo.

15 Kaloku ovuleka amehlo am, ziwubazele indlebe zam umtândazo walendawo.

16 Kuba ngoku ndiyinyule, ndayingcwalisa lendlu, ukuba libe kuyo igama lam kude kuse epâkadeni, abe kôna amehlo am nentliziyo yam imihla yonke.

17 Wena-ke, ukuba utê wahambâ pâmbî kwam, njengoko wahambâ ngako u-Davide uyihlo, ukuba ukwenze konke endikumiseleyo, uyigcine imimiselo yam, namasiko am:

18 Ndoyimisa i-trone yobukumkani bakô, njengoko ndamenzela umnqophso ngako u-Davide uyihlo, ndisitî, Akuyi kunqunyukelwa ndoda yakulaula kwa-Sirayeli.

19 Ke, ukuba nitê nabuya umva, nayi-

Digitized by Google

lahla imimiselo yam nemitêtô yam, endiyibeke pâmbî kwenu, naya nakônza tîxo bambî, naqubuda kubo:

20 Ndobanyotûla emhlabeni wam endibanike wona; nalendlu, ndiyingcwalisele igama lam, ndoyilahla ebusweni bam, ndiyenze umzekeliso nento yentsini pâkatî kwezizwe zonke.

21 Nalendlu noko ipêzulu-nje, bomangaliswa bonke abadlulayo kuyo, batî, Yinina ukuba u-Yehova enje nje kwelilizwe nakulendlu?

22 Bati-ke, Kungenx' enokuba bamshiyayo u-Yehova u-Tîxo woyise, owabakûpâ ezweni lama-Yiputa, babambêlela tîxweni bambî, baqubuda kubo, bakônza bona; kungenxa yoko awabuzisayo bonke obububi pêzu kwabo.

8 Kwatî ekupêleni kweminyaka emashumi mabini, abesakâ ngayo u-Solomon indlu ka-Yehova neyakê indlu,

2 Imizi, u-Huram abeyinike u-Solomon, wayakâ u-Solomon, wababeka kôna onyana baka-Sirayeli.

3 Waya u-Solomon e-Hamati-tsoba, wayeyisa.

4 Wakâ i-Tademore entlango, nemizi yonke engovimbâ, awayakâyo e-Hamati.

5 Wakâ ne-Bete-horon engasentla ne-Bete-horon engasezantsi, imizi enqatyisiweyo leyo, inendonga, nengcango, nemivalo;

6 Ne-Bahalati, nemizi yonke engovimba abe nayo u-Solomon, nemizi yonke yenqwelo zokulwa, nemizi yabamahashe, nokulangazelela konke kuka-Solomon awakulangazelelayo ukwakâ e-Yerusalem, nase-Lebanon, nasezweni lonke lolaulo lwakê.

7 Bonke abantu abaseleyo kuma-Heti, nama-Amori, nama-Perizi, nama-Hivi, nama-Yebusi, abebenge ngabakwa-Sirayeli;

8 Konyana babo abasala emva kwabo ezweni, abo babengagqitywanga ngonyana baka-Sirayeli, u-Solomon wabanyula ukuba bafakwe uviko, unanamhla.

9 Konyana baka-Sirayeli u-Solomon akenzanga makôboka omsebenzi wakê; ngokuba babe ngamadoda okulwa, nabatêtêli bakê, nababusi bakê, nabatêtêli benqwelo zakê zokulwa, nabamahashe bakê.

10 Abobatêtêli babe ngabongameli awayenabo ukumkani u-Solomon, bebe ngamakûlu amabini anamanci mahlanu, ababe nobukôsi ebantwini.

11 Kekaloku u-Solomon wayinyusa intombî ka-Faro emzini ka-Davide, wayisa endlwini abeyakêle; ngokuba ubesitî, Akayi kuhlala umfazi wam endlwini ka-Davide ukumkani wama-Sirayeli; ngokuba kungcwele apô kungene kôna umkômbê ka-Yehova.

12 Waza u-Solomon wenyusa amadini anyukayo ku-Yehova esibingelelweni sika-Yehova, abesakêle pâmbî kwe-varanda.

13 Ukuba kunyuswe into yemini ngangemini yayo ngokomtêtô ka-Moses, ngesabatâ, nasekutwaseni kwenyanga, nangamaxesha amisiweyo, izihlandlo ezitâtû ngonyaka, emtêndelekweni wezonka ezinge nagwele, nasemtêndelekweni weveki, nasemtêndelekweni weminquba.

14 Wawamisa ngokwesiko lika-Davide uyise amaqela abenzeleleli enkonzweni yawo; naba-Levi wabamisela ezigxineni zabo, ukuba badumise, balungiselele pâmbî kwabenzeleleli, ngokwento yemini ngemini yayo, nabamasango ngokwamaqela abo kwisango ngesango; ngokuba ubunjalo umtêtô ka-Davide umfo wakwa-Tîxo.

15 Abatyeka emtêtweni wokumkani kubenzeleleli nakuba-Levi, ngemicimbî yonke nangobuncwane.

16 Walungiswa-ke wonke umsebenzi ka-Solomon, kwada kwayilomini yasekwa ngayo indlu ka-Yehova kwasa nasekugqityweni kwayo; yafezwa indlu ka-Yehova.

17 Waza u-Solomon waya e-Etsiyongebere, nase-Eloti, elunxwemeni lolwandle ezweni lakwa-Edom.

18 U-Huram watûmela kuye ngabakônzi bakê inqanawa, abakônzi abebelwazi ulwandle; baya kunye nabakônzi baka-Solomon kwa-Ofire, batâbatâ kôna amakûlu amane anamanci mahlanu e-talente ze-golide, bayizisa kukumkani u-Solomon.

9 Kekaloku ukumkanikazi wase-Sheba waluva udaba luka-Solomon, weza kumlinga u-Solomon ngemibuzo elukûni e-Yerusalem, enesihlwele esinzima kunene, nen-kamela ezitwele ubulawu, ne-

Digitized by Google

golide eninzi, namatye anqabileyo. Weza ku-Solomon, watêtâ naye konke okube kusentliziyweni yakê.

2 U-Solomon wamtŷilela onke amazwi akê; akubangakô lizwi lifihlakeleyo ku-Solomon, angabanga nakô ukumtŷilela lona.

3 Wabubona ukumkanikazi wase-Sheba ubulumko buka-Solomon, nendlu abeyakîle,

4 Nokudla kwe-tafile yakê, nendawo zokuhlala kwabakônzi bakê, nokuma kwabalungiseleli bakê nezambâtô zabo, nabancâmli bakê nezambâtô zabo; nezinyuko zakê abenyuka ngazo ukuya endlwini ka-Yehova; akwabi sabakô kuqina kwamxêlo kuye.

5 Watî kukumkani, Beliyinene ilizwi endaliva ezweni lam lezinto zakô, nobulumko bakô.

6 Andikôlwanga ngamazwi abo, ndada ndeza, abona amehlo am; yabona, bendingaxelelwanga nesiqingatâ esi sobuninzi bobulumko bakô; ulugqitile udaba endibe ndiluvile.

7 Anoyolo amadoda akô; banoyolo abakônzi ako, abemiyo pâmbî kwakô ngamaxesha onke, bebuva ubulumko bakô.

8 Makabongwe u-Yehova u-Tîxo wakô, okunoneleyo, wakubeka e-troneni yakê, ukuba ube ngukumkani ku-Yehova u-Tîxo wakô, ngokuwatânda kuka-Tîxo wakô ama-Sirayeli, ukuba awamise ngonapâkade, wakumisa wangukumkani kuwo, ukuba wenze okusesikweni nobulungisa.

9 Ukumkanikazi wanika ukumkani ikûlu elinamanci amabini e-talente ze-golide, nasebulawini into eninzi kunene, namatye anqabileyo, akuzanga kube sabakô bulawu bungangobo, ukumkanikazi wase-Sheba wabunika ukumkani u-Solomon.

10 Kananjalo abakônzi baka-Huram nabakônzi baka-Solomon abeza ne-golide bevela kwa-Ofire, beza nemi-aligumi namatye anqabileyo.

11 Imi-aligumi-leyo ukumkani wayenza izinyuko zendlu ka-Yehova nezendlu yokumkani, nehadi nemifubê yemvumi; akuzanga kubonwe injalo ngapâmbîli ezweni lakwa-Yuda.

12 Ke ukumkani u-Solomon wamnika ukumkanikazi wase-Sheba konke ukutânda kwakê awakucelayo; kukodwa kôna awakuzisayo kukumkani. Wajika-ke, waya ezweni lakê, yena nabakônzi bakê.

13 Kekaloku ukulinganiswa kwe-golide, eyeza ku-Solomon ngamnyaka-mnye, kwaba ngamakûlu amatândatû anamanci amatândatû anesitândatû i-talente ze-golide.

14 Iyodwa eyabafwebi, nebiziswa ngabatêngisi, neyokumkani bonke base-Arabi, neyamabambâ elizwe, abezisa i-golide ne-silvere ku-Solomon.

15 Ukumkani u-Solomon wenza amakûlu amabini amakâka e-golide engumkândo; zangamakûlu amatândatû i-shekele ze-golide engumkândo, awaleka ngazo kâka linye.

16 Wenza amakûlu amatâtû engweletshetshe ze-golide engumkândo; zangamakûlu amatâtû i-shekele ze-golide, awaleka ngazo ngweletshetshe nye. Ukumkani wazibeka endlwini yehlatî lase-Lebanon.

17 Ukumkani wenza ne-trone enkulu ngempondo zendlovu, wayaleka nge-golide engewengiweyo.

18 I-trone-leyo ibinezinyuko ezitândatû; i-trone-leyo ibinesi-tulo senyawo segolide, ezonto zibambêne nayo; kukô ingalo ngapâ nangapâ kwendawo yokuhlala, kumi ingonyama ezimbîni ecaleni lengalo-ezo.

19 Kumi ingonyama ezilishumi elinambîni kôna ezinyukweni ezitândatû, ngapâ nangapâ; akuzanga kwenziwe nto injalo ezikumkanini zonke.

20 Yonke impahla yokusela yokumkani u-Solomon yabiyeye-golide, nempahla yonke yendlu yehlatî lase-Lebanon yabiyeye-golide etê-shinyi; i-silvere ibinge-nto yakonto ngemihla ka-Solomon.

21 Ngokuba ukumkani ube nenqanawa eziya kwa-Tarshishe ndawo-nye nabakônzi baka-Huram; zeza kanye ngeminyaka emitâtû inqanawa-ezo zakwa-Tarshishe, zitŵele i-golide, ne-silvere, nempondo zendlovu, nentsimango, namahem.

22 Wakûla-ke ukumkani u-Solomon ngapêzu kokumkani bonke bomhlaba ngobutyebi nangobulumko.

23 Bonke okumkani bomhlaba bafuna ubuso buka-Solomon, ukuba beve ubulumko bakê, awayebubeke entliziyweni yakê u-Tîxo.

24 Bazisa elowo umnikelo wakê, impahla ze-silvere, nempahla ze-golide, nezambâtô, neziŕweqe, nobulawu, namahashe, nondlebende, into yeminyaka ngeminyaka.

Digitized by Google

25 U-Solomon waye namawaka amane emikômbê ye-zistali zamahashe nenqwelo, neshumi elinamabini amawaka amahashe akŵelwayo; wawabeka emizini yenqwelo, nakukumkani e-Yerusalem.

26 Ubelaula okumkani bonke, etâbatêla kuwo um-Lambo, azise ezweni lama-Filisti, ezisa nasemdeni wase-Yiputa.

27 Ukumkani wayenza i-silvere yanjengamatye e-Yerusalem, nemi-sedare wayenza yanjengemitômbê esezihlanjeni, ukuba mininzi.

28 Bazisa ku-Solomon amahashe evela e-Yiputa, evela emazweni onke.

29 Ezinye izinto zika-Solomon, ezokuqala nezokugqibela, azibâlwanga-na emicimbîni ka-Natan um-profeti, nasezi-profetweni zika-Ahiya wase-Shilo, nasemibonweni ka-Ido imbôni ngo-Yarobeham unyana ka-Nebati?

30 U-Solomon waye ngukumkani kuma-Sirayeli onke e-Yerusalem iminyaka emashumi mane.

31 U-Solomon walala koyise, wancŵatyelwa emzini ka-Davide uyise; u-Rehabeham unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

10 U-Rehabeham waya kwa-Shekem; ngokuba ama-Sirayeli onke abeye kumenza ukumkani kwa-Shekem.

2 Kwatî, akuva u-Yarobeham unyana ka-Nebati, (ese-Yiputa, apô wayebalekele kôna ebusweni buka-Solomon ukumkani, ehleli u-Yarobeham e-Yiputa,

3 Batûmela, bambiza); weza u-Yarobeham nama-Sirayeli onke, batêtâ no-Rehabeham, besitî,

4 Uyihlo wayenza nzima i-dyokwê yetû; ke wena yenze lula inkonzo elukûni kayihlo ne-dyokwê yakê enzima, awayibeka pêzu kwetû, sikukônze.

5 Watî kubo, Kânindikŵelele intsuku zibe ntatû, nibuye nize kum. Bemka-ke abantu.

6 Ukumkani u-Rehabeham wacebisana namadoda amakûlu, abesakuma pâmbî ko-Solomon uyise oko ebesahleli, watî, Ninika cebo linina, ukuba ndibanike ilizwi ababantu?

7 Atêtâ-ke kuye, esitî, Ukuba utê wanobubele kwababantu, wabakôlisa, watêtâ amazwi amahle kubo: bokukônza yonke imihla.

8 Walishiya icebo lamadoda amakûlu abemnike lona, wacebisana namadodana azintanga zakê, abemi pâmbî kwakê;

9 Watî kuwo, Ninika cebo linina nina, ukuba sibanike ilizwi ababantu batêtîleyo kum, besitî, Yenze lula i-dyokwê, awayibeka pêzu kwetû uyihlo.

10 Ateta-ke naye amadodana azintanga zakê, esitî, Yitî kubantu abatêtê kuwe, besitî, Uyihlo yayenza nzima i-dyokwê yetû, yenze lula kutî wena; yitî kubo, Ucikicane wam uya kuba nesibili kunesinqe sikabawo.

11 Ke ekubeni ubawo ubenitŵalise i-dyokwê enzima, mna-ke ndiya kongeza e-dyokwêni yenu; ubawo ubenibetâ ngentsontelo, ke mna ndiya kunibetâ ngekatsi.

12 Baya-ke o-Yarobeham nabantu bonke ku-Rehabeham ngomhla wesitâtû, njengoko wayetêtê ngako ukumkani, esitî, Nobuye, nize kum ngomhla wesitâtû.

13 Ukumkani wabapêndula kalukûni; ukumkani u-Rehabeham walishiya icebo lamadoda amakûlu;

14 Watêtâ kubo ngokwecebo lamadodana, esitî, Ubawo wayenza nzima i-dyokwê yenu, mna-ke ndiya kongeza kuyo; ubawo wanibetâ ngentsontelo, ke mna ndiya kunibetâ nge-katsi.

15 Akabapûlapûlanga-ke abantu ukumkani; ngokuba esisipêndu besipûma ku-Tîxo, ukuze u-Yehova alimise ilizwi lakê, abelitêtîle ngo-Ahiya wase-Shilo ku-Yarobeham unyana ka-Nebati.

16 Akubona-ke onke ama-Sirayeli ukuba ukumkani akawapûlapûli, abantu bambuyisela ukumkani ilizwi elitî, Sinasabelo sinina ku-Davide? asinalifa kunyana ka-Isayi; elowo makaye en-tenteni yakê, ma-Sirayeli; zikângelele indlu yakô, Davide. Aya ezin-tenteni zawo-ke ama-Sirayeli onke.

17 Ke onyana baka-Sirayeli, abebehleli emizini yakwa-Yuda, u-Rehabeham waba ngukumkani kubo.

18 Ukumkani u-Rehabeham watûma u-Adoram obepêtê abafakwa uviko. Besuka onyana baka-Sirayeli, bamxuluba ngamatye; wafa. Ukumkani u-Rehabeham wakâuleza waya kukŵela enqweleni yakê, ukuba asabele e-Yerusalem.

19 Arêqa-ke ama-Sirayeli endlwini ka-Davide, unanamhla.

Digitized by Google

11 Weza u-Rehabeham e-Yerusalem, wabizela ndawo-nye indlu yakwa-Yuda neyakwa-Benyamin, ikûlu elinamanci asibôzo amawaka amadodana okulwa imfazwe, ukuba aye kulwa, nama-Sirayeli, bubuyiselwe ubukumkani ku-Rehabeham.

2 Lafika ilizwi lika-Yehova ku-Shemaya umfo wakwa-Tîxo, lisitî,

3 Yitsho ku-Rehabeham unyana ka-Solomon, ukumkani wakwa-Yuda, nakuma-Sirayeli onke, kwa-Yuda nakwa-Benyamin, ukutî,

4 Utsho u-Yehova ukutî, Ize ninganyuki; ize ningalwi nabazalwana benu. Buyani aye elowo endlwini yakê; ngokuba ipûme kum lento. Balipûlapûla izwi lika-Yehova, babuya ekuyeni kulwa no-Yarobeham.

5 Wahlala u-Rehabeham e-Yerusalem, waka imizi yokunqabisa kwa-Yuda.

6 Waka i-Betelehem, ne-Etam, ne-Tekowa,

7 Ne-Betetsure, ne-Soko, ne-Adulam,

8 Ne-Gati, ne-Maresha, ne-Zifi,

9 Ne-Adorayim, ne-Lakishe, ne-Aseka,

10 Ne-Tsora, ne-Ayalon, nowase-Hebron, ekwa-Yuda nekwa-Benyamin, imizi enqatyisiweyo.

11 Waziqinisa inqaba, wabeka ingânga *zamadoda* kuzo, nezi-tora zokudla, ne-oli, ne-wayini.

12 Nakwimizi ngemizi yonke wabeka amakâka, nezikâli; wayiqinisa kakûlu kunene; aba kuye ama-Yuda nama-Benyamin

13 Abenzeleleli naba-Levi abebe kwelakwa-Sirayeli lonke batêlela kuye, bevela emideni yabo yonke.

14 Ngokuba aba-Levi bawashiya amadlelo abo, nemfuyo yabo, beza kwa-Yuda nase-Yerusalem; ngokuba u-Yarobeham nonyana bakê babebakûpile ukuba bangabi ngabenzeleleli ku-Yehova;

15 Wazimisela abenzeleleli bezigânga nabamaxônti, nabamatôle awawenzayo.

16 Emva kwabo-ke, ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, batî abazinikelayo intliziyo zabo ukumfuna u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, beza kubingelela e-Yerusalem ku-Yehova, u-Tîxo woyise.

17 Babuzinzisa ubukumkani buka-Yuda, bamomeleza u-Rehabeham unyana ka-Solomon iminyaka emitâtû; ngokuba bahambâ ingendlela ka-Davide no-Solomon iminyaka emitâtû.

18 Kekaloku u-Rehabeham wazeka u-Mahalati intombî ka-Yerimoti, unyana ka-Davide, no-Abihayile intombî ka-Eliyabi, unyana ka-Isayi;

19 Wamzalela onyana: o-Yehushe, no-Shemariya, no-Zaham.

20 Emva kwakê wazeka u-Mahaka intombî ka-Abisalom; wamzalela u-Abiya, no-Atayi, no-Ziza, no-Shelomiti.

21 U-Rehabeham watânda u-Mahaka intombî ka-Abisalom ngapêzu kwabafazi bakê bonke namashweshwe akê, (ngokuba ube nabafazi abalishumi elinesibôzo, namashweshwe angamashumi amatândatû; wazala onyana abamashumi mabini anesibôzo nentombî ezimashumi matândatû.)

22 U-Rehabeham wamisa u-Abiya unyana ka-Mahaka, ukuba abe yinkulu, abe yingânga pâkatî kwabazalwana bakê; ngokuba *ubecinga* ukumenza ukumkani.

23 Wenza ngengqondo, wabatî-sa onyana bakê bonke emazweni onke akwa-Yuda nakwa-Benyamin, emizini yonke enqatyisiweyo, wabanika ukudla okuninzi, wabafunela into eninzi yabafazi.

12 Kwatî, bakubon'ukuba buzinzile ubukumkani buka-Rehabeham, akomelela, wawushiya umyalelo ka-Yehova, nama-Sirayeli onke kunye naye.

2 Kwatî, ngomnyaka wesihlanu wokumkani u-Rehabeham, kwenyuka u-Shishaki ukumkani wase-Yiputa, wayingenela i-Yerusalem; ngokuba bebemenezile ku-Yehova;

3 Enewaka elinamakûlu amabini enqwelo zokulwa, namawaka angamashumi omatândatû abamahashe, nabantu abange nakubalwa, abapûma naye e-Yiputa, ama-Lubi, nama-Suki, nama-Kushe.

4 Wayitîmbâ imizi enqatyisiweyo ekwa-Yuda, wafika nase-Yerusalem.

5 Weza u-Shemaya umprofeti ku-Rehabeham, nakubatêteli bakwa-Yuda, ababehlanganisene e-Yerusalem ngenxa ka-Shishaki, watî kubo, Utsho u-Yehova ukutî, Nina nandishiya, nam ndinishiyile, *ndaninikela* esandleni sika-Shishaki.

6 Bazitôba abatêtêli bama-Sirayeli nokumkani, batî, Ulilungisa u-Yehova.

7 Akubona u-Yehova ukuba bazitôbile, lafika ilizwi lika-Yehova ku-Shemaya, lisitî, Bazitôbile; andiyi kubonakalisa; ndiya kubanika ukusinda ixeshana, bungatû-

Digitized by Google

lulelwa ubushushu bam e-Yerusalem ngesandla sika-Shishaki.

8 Noko boba ngabakônzi kuye, ukuze bayazi inkonzo yam, nenkonzo yezikumkani zamazwe.

9 Wenyuka-ke ukumkani wase-Yiputa, wafika walwa ne-Yerusalem, wabutâbatâ ubuncwane bendlu ka-Yehova, nobuncwane bendlu yokumkani, wabutâbatâ bonke; wazitâbatâ ingweletshetshe ze-golide awazenzayo u-Solomon.

10 Ukumkani u-Rehabeham wenza ingweletshetshe zobêdu esikûndleni sazo, wazipâtisa abatêtêli bezigidimi, ebezigcina umnyango wendlu yokumkani.

11 Ubesakutî akungena ukumkani endlwini ka-Yehova, zize izigidimi-ezo zizipêtê, zize zizibuyisele e-kambîlini yezigidimi.

12 Watî akuzitoba, umsindo ka-Yehova wabuya kuye, ukuba angamtshabalalisi kutî-tu; kananjalo kwa-Yuda kwakukô izinto ezilungileyo.

13 Waziqinisa ukumkani u-Rehabeham e-Yerusalem, waba ngukumkani; ngokuba u-Rehabeham ebe minyaka imashumi mane anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinesixênxe engukumkani e-Yerusalem, umzi-lowo wawunyulayo u-Yehova kwizizwe zonke zakwa-Sirayeli, ukuba alimise kôna igama lakê; igama lonina belingu-Nahama um-Amonikazi.

14 Wenza okubi, ngokuba bengayibêkiselelanga intliziyo yakê ukumfuna u-Yehova.

15 Izinto zika-Rehabeham, ezokuqala nezokugqibela, azibâlwanga-na emicimbîni ka-Shemaya umprofeti no-Ido imbôni, ngokokubâlwa kwimilibo yokuzalwa? Yayizimfazwe pâkatî ko-Rehabeham no-Yarobeham imihla yonke.

16 U-Rehabeham walala koyise, wancwatyelwa emzini ka-Davide; u-Abiya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

13 Ngonyaka weshumi elinesibôzo wokumkani u-Yarobeham, u-Abiya waba ngukumkani kwa-Yuda.

2 Waba neminyaka emitâtû engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Mikaya intombî ka-Uriyeli wase-Gibeha. Kwabakô imfazwe pâkatî ko-Abiya no-Yarobeham.

3 U-Abiya wayiqala imfazwe ngempi yamagoña okulwa, engamakûlu amane amawaka ahleliweyo; u-Yarobeham naye wazakâ izintlu zakê zokulwa naye, zingamakûlu asibôzo amawaka ahleliweyo, angamagoña anoburoti.

4 Wesuka wema u-Abiya entabeni ye-Tsemarim, ekwelentaba lakwa-Efrayim, watî, Ndipûlapûleni, wena Yarobeham, nani ma-Sirayeli nonke;

5 Aninakwazi-na ukuba u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ubukumkani kuma-Sirayeli wabunika u-Davide ngonapâkadê, yena nonyana bakê ngomnqopiso wetyuwa?

6 Wesuka u-Yarobeham unyana ka-Nebati, umkônzi ka-Solomon unyana ka-Davide, wagwilika kwinkosi yakê;

7 Wabutêla kuye amadoda ange nabuntu, angamatshijolo, aziqinisa, amcâsa u-Rehabeham unyana ka-Solomon; u-Rehabeham engumfana ontliziyo itâmbîleyo, engomelele pâmbî kwabo.

8 Ngoku-ke nitî niya komelela pâmbî kobukumkani buka-Yehova, obusesandleni sonyana baka-Davide; niyingxokolo eninzi-nje, ninamatôle e-golide, awanenzelayo u-Yarobeham ukuba abe ngotîxo.

9 Anibagxotânga yinina abenzeleleli baka-Yehova, onyana baka-Aron, naba-Levi; nazenzela abenzeleleli njengezizwe zamanye amazwe? bada bonke abo beza kuzalisa isandla sabo ngenkunzi elitôle lenkomo, nenkunzi zegusha ezisixênxe, benziwa abenzeleleli konge nguye-Tîxo.

10 Ke tîna, ngu-Yehova u-Tîxo wetû; asimshiyanga; abenzeleleli abalungiselela ku-Yehova ngonyana baka-Aron; naba-Levi basemsebenzini *wabo*,

11 Beqûmisela ku-Yehova ngamadini anyukayo imiso ngemiso, ukuhlwa ngokuhlwa nangesiqûmiso esimnandi; nokucwangcisa izonka e-tafileni ehlambûlulekileyo, nesipâtô se-golide, nezibane zaso zilunyekwa ukuhlwa ngokuhlwa; ngokuba tîna sisigcina isigxina sika-Yehova u-Tîxo wetû; ke nina nimshiyile.

12 Niyabona, unatî eyintloko u-Tîxo nabenzeleleli bakê banatî namaxilongo okuduma, ukuba anivuse. Nyana baka-Sirayeli, musan' ukulwa no-Yehova u-Tîxo woyihlo; ngokuba aniyi kuba nampumelelo.

13 Ke u-Yarobeham wazungulezisa ubalaleli, ukuba baye ngasemva kwawo; baba ngapâmbî kwama-Yuda bona; ababalaleli baba ngasemva kwawo.

Digitized by Google

14 Abêka ama-Yuda, ayibona! impi ingapâmbîli nangasemva kuwo. Akâla ku-Yehova, abenzeleleli bevutêla amaxilongo;

15 Aduma onke amadoda akwa-Yuda. Kwatî, ekudumeni kwamadoda akwa-Yuda, wesuka u-Tîxo wabêta ku-Yarobeham nama-Sirayeli onke pâmbî ko-Abiya nama-Yuda.

16 Basaba onyana baka-Sirayeli ebusweni bama-Yuda; u-Tîxo wabanikela esandleni sawo.

17 U-Abiya nabantu bake bababulala kakûlu; kwawa ababuleweyo kwa-Sirayeli amakûlu amahlanu amawaka amadoda ahleliweyo.

18 Batôtywa-ke onyana baka-Sirayeli ngeloxesha, bakâlipa onyana baka-Yuda; ngokuba bayama ngo-Yehova, u-Tîxo woyise.

19 U-Abiya wamsukela u-Yarobeham, watîmbâ kuye lemizi: i-Beteli namagxamesi ayo, ne-Yeshana namagxamesi ayo, ne-Efron namagxamesi ayo.

20 Akabi sabanamandla u-Yarobeham ngemihla ka-Abiya. U-Yehova wambetâ; wafa.

21 Waya esomelela ngokomelela u-Abiya, wazeka abafazi abalishumi elinabane, wazala onyana abamashumi mabini anababini, nentombî ezilishumi elinantandatû.

22 Ezinye izinto zika-Abiya, nendlela zakê, namazwi akê abâliwe encwadini zamabali om-profeti u-Ido.

14 U-Abiya walala koyise; bamncwabela emzini ka-Davide; ke u-Asa unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sake. Ngemihla yakê ilizwe laxola iminyaka yalishumi.

2 U-Asa wenza okulungileyo nokutê-tye emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wakê:

3 Wazisusa izibingelelo nezigânga *zezitîro* zolunye uhlanga; waziqêkeza izimiso zamatye, wabagaula o-Ashera.

4 Watî kuma-Yuda makamfune u-Yehova, u-Tîxo woyise, awenze umyalelo nomtêtô.

5 Wazisusa-ke emizini yonke yakwa-Yuda izigânga, nentsika zelanga; bazola ubukumkani pâmbî kwakê.

6 Wakâ imizi enqatyisiweyo kwa-Yuda; ngokuba ilizwe belixolile, kungekô mfazwe ayilwayo ngalominyaka; ngokuba u-Yehova wayempumzile.

7 Watî-ke kuma-Yuda, Masiyakê lemizi, siyijikeleze ngendonga nenqaba ezinde, senze ingcango nemivalo, lisepâmbî kwetû-nje ilizwe; ngokuba simfunile u-Yehova u-Tîxo wetû, samfuna, wasipumzake ngenxa zonke. Bayakâ, banempumelelo.

8 Kekaloku u-Asa waye nempi epâtâ amakâka nezikâli: kwa-Yuda ingamakûlu amatâtû amawaka, nakwa-Benyamin abapâtâ ingweletshetshe nabatyeda izapêta babengamakûlu amabini, anamanci asibôzo amawaka. Bonke abo babe ngamagoŕa anoburoti.

9 Kwapûma kwaza kulwa nabo u-Zera um-Kushi, enempi eliwaka lamawaka, nenqwelo zokulwa ezimakûlu matâtû; wada weza e-Maresha.

10 Wapûma u-Asa, esiya kumhlangabeza, bakâ izintlu emfuleni we-Tsefata e-Maresha.

11 U-Asa wabiza ku-Yehova u-Tîxo wakê, watî, Yehova, akukô bani inge nguwe onokunceda pâkatî konamandla nonge nawo. Sincede, Yehova Tîxo wetû; ngokuba sayame ngawe, size kulengxokolo ngegama lakô. Yehova, ungu-Tîxo wetû, makangabi namandla umntu okumelana nawe.

12 U-Yehova wawaxabela ama-Kushi pâmbî ko-Asa, napâmbî kwama-Yuda; asaba-ke ama-Kushi.

13 U-Asa nabantu abebe naye, bawasukela bada besa e-Gerare; oyiswa ama-Kushi ngokokude angabi nakubuya apêtule; ngokuba aqôtywa pâmbî ko-Yehova, napâmbî komkôsi wakê; bemka nexôba elininzi kunene.

14 Bayingenela yonke imizi ngenxa zonke e-Gerare; ngokuba yafikelwa kukunkwantyiswa ngu-Yehova. Bayipânga yonke imizi; ngokuba amaxôba ayemaninzi kuyo.

15 Batshabalalisa nen-tente zemfuyo, batîmbâ impahl' emfutshane yaninzi nenkamela; babuya-ke baya e-Yerusalem.

15 Umoya ka-Tixo wamfikela u-Azariya unyana ka-Odede.

2 Wapûma, esiya kukaûlela u-Asa, watî kuye, Ndipûlapûleni, Asa, nani nonke ma-Yuda nama-Benyamin; u-Yehova unani, ekubeni ninaye; ukuba nitê namfu-

Digitized by Google

na, nomfumana; ukuba nitê namshiya, wonishiya nani.

3 Ama-Sirayeli ayenemihla emininzi enge na-Tîxo wenyaniso, enge namenzeleleli uyalayo, enge namtêtô.

4 Ke atî ekubandezelekeni kwawo akubuyela ku-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukuba amfune, amfumana.

5 Ngalomaxesha kwakungekô luxolo kopûmayo nakongenayo, zaba zizipîtipîti ezikûlu kubemi bonke bamazwe.

6 Uhlanga lwaqôtywa luhlanga, umzi ngumzi; ngokuba u-Tîxo wabadubaduba ngembândezelo zonke.

7 Ke nina yomelelani; mazingawi izandla zenu; ngokuba umsebenzi wenu unomvuzo.

8 Watî u-Asa akuweva lomazwi nesiprofeto sika-Odede um-profeti, womelela, wazikwelelisa zonke izinto ezinezotê ezweni lonke lakwa-Yuda nelakwa-Benyamin, nasemizini abeyitîmbîle kwelentaba lakwa-Efrayim; wasihlaziya isibingelelo sika-Yehova, esipâmbî kwe-varanda ka-Yehova.

9 Wawahlanganisa onke ama-Yuda nama-Benyamin nabasemzini ababe kuwo, bakwa-Efrayim nabakwa-Manase, nabakwa-Simon; ngokuba bagalela kuye abakwa-Sirayeli babaninzi bakubon' ukuba u-Yehova u-Tîxo wakê unaye.

10 Babutêlana-ke e-Yerusalem ngenyanga yesitâtû ngomnyaka weshumi elinesihlanu wobukumkani buka-Asa,

11 Babingelela ku-Yehova ngalomhla, betâbatâ kumaxôba ababeze nawo: amakûlu asixênxe enkomo, namawaka asixênxe empahl' emfutshane.

12 Benza umnqopîso wokumfuna u-Yehova, u-Tîxo woyise, ngentliziyo yabo yonke nangompêfumlo wabo wonke; *batî*,

13 Bonke abasukuba bengamfuni u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, mababulawe, kutâbatêle komncinane kuse komkûlu; kutâbatêle kwindoda kuse kwinkazana.

14 Bafunga ku-Yehova ngezwi elikûlu, nangokuduma, nangamaxilongo, nangezigodlo.

15 Asivuyela onke ama-Yuda isifungoeso; ngokuba afunga ngentliziyo yawo yonke, amfuna ngemvume yawo yonke; amfumana; u-Yehova wawapûmza ngenxa zonke.

16 Kananjalo ukumkani wamguzula u-Mahaka unina, ukuba angabisaba yinkosikazi; ngokokuba wayemenzele u-Ashera isitîxo esilisikizi. Waza u-Asa wasixâxâ isitixo sakê esilisikizi, wasitî vitîvitî, wasitshisa emlanjaneni oyi-Kidron.

17 Ke izigânga azisuswanga kwa-Sirayeli; kodwa yona intliziyo ka-Asa yabigqibelele yonke imihla yakê.

18 Wazingenisa izinto ezingcwele zikayise, nezinto zakê ezingcwele endlwini ka-Tîxo, i-silvere, ne-golide, nempahla,

19 Akwabisabakô mfazwe kwada kwaba ngumnyaka wamashumi amatâtû anesihlanu wobukumkani buka-Asa.

16 Ngomnyaka wamashumi omatâtû anesitândatû wobukumkani buka-Asa, wenyuka u-Bahesha ukumkani wama-Sirayeli, esiza kulwa nama-Yuda, wayakâ i-Rama, ukuze angavumi ukuba kupûme bani aye ku-Asa ukumkani wakwa-Yuda.

2 Wayifola-ke u-Asa i-silvere ne-golide ebuncwaneni bendlu ka-Yehova nobendlu yokumkani, wazitûmela ku-Ben-hadade ukumkani wama-Aram, ohleli e-Damasko, êsitî,

3 Kukô umnqopîso pâkatî kwam nawe, pâkatî kobawo noyihlo; nanko ndikutûmele i-silvere ne-golide; yiya uwapûle umnqopîso wakô no-Bahesha ukumkani wama-Sirayeli, ukuba emke kum.

4 U-Ben-hadade wampûlapûla ukumkani u-Asa, watûmela abatêtêli bempi abe nabo emizini yakwa-Sirayeli, wayitîmbâ i-Iyon, nowakwa-Dan, ne-Abele-mayim, nemizi yonke engovimbâ yakwa-Nafetali.

5 Kwatî, akuva u-Bahesha, wayeka ukuyakâ i-Rama, wawuyeka umsebenzi wakê.

6 U-Asa ukumkani wawatâbatâ onke ama-Yuda; awasusa amatye e-Rama, nemitî yayo, awayesakâ ngayo u-Bahesha; wakâ-ke ngayo i-Geba ne-Mitspa.

7 Ngeloxesha u-Hanani imbôni weza ku-Asa ukumkani wama-Yuda, watî kuye, Ekubeni wayama kukumkani wama-Aram, akwayama ku-Yehova u-Tîxo wakô, ngoko-ke ipûlukile esandleni sakô impi yokumkani wama-Aram.

8 Ama-Kushi nama-Lubi abenge yiyona impi eninzi, enento eninzi kunene yenqwelo zokulwa nabamahashe? Ukantî ngokuba wayama ku-Yehova anikelwa esandleni sakô.

Digitized by Google

9 Ngokuba u-Yehova amehlo akê asingasinga emhlabeni wonke, ukuba azomelezele abantliziyo zipêlele kuye. Wenza ubudenge ngalento; ngokuba kusuka ngoku woba nemfazwe.

10 U-Asa wayiqumbêla imbôni leyo, wayifaka endlwini ye-stokisi; ngokuba wayeyijalele ngalento. U-Asa wayicinezela inxenye yabantu ngeloxesha.

11 Yabona, izinto zika-Asa, ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibâliwe encwadini yokumkani bakwa-Yuda nabakwa-Sirayeli.

12 Ngomnyaka wamashumi omatâtû anesitôba wobukumkani bakê, u-Asa wayesifa zinyawo, sada senyuka isifo sakê; kananjalo esifeni sakê akamfunanga u-Yehova, wawafuna amagqifa.

13 U-Asa walala koyise; wafa ngomnyaka wamashumi omane anamnye wobukumkani bakê.

14 Bamncwabela encwabeni lakê, awazimbêlayo emzini ka-Davide, bamlalisa esililini esizele bubulawu, intlobo ngentlobo, ezenziwe ubuqôlo ngobugcisa babaqôli; bamenzela ibaso elikûlu kunene.

17 U-Yehoshafati unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê, womelela wawacâsa ama-Sirayeli.

2 Wabeka imikôsi emizini yonke enqatyisiweyo yakwa-Yuda, wamisa i-posi elizweni lakwa-Yuda, nasemizini yakwa-Efrayim, awayitîmbâyo u-Asa uyise.

3 U-Yehova waba no-Yehoshafati; ngokuba wahambâ ngendlela zika-Davide uyise, ezokuqala zona; akafunana no-Bahali;

4 Ke wafunana no-Tîxo kayise, wahambâ ngemitêtô yakê; akahambâ ngezenzo zakwa-Sirayeli.

5 U-Yehova wabuzinzisa ubukumkani bakê esandleni sakê; onke ama-Yuda azisa iminikelo ku-Yehoshafati; waba nobutyebi nozuko ngokukûlu.

6 Yapâkama intliziyo yakê ezindleleni zika-Yehova; kananjalo wazisusa izigânga no-Ashera kwa-Yuda.

7 Ngomnyaka wesitâtû wokuba ngukumkani kwakê, wabatûmela abatêtêli bakê u-Ben-hayile, no-Obadiya, no-Zekariya, no-Nataniyeli, no-Mikaya, ukuba bafundise emizini yakwa-Yuda;

8 Benaba-Levi: u-Shemaya, no-Netaniya, no-Zebadiya, no-Asaheli, no-Shemiramoti, no-Yehonatan, no-Adoniya, no-Tobiya, no-Tobadoniya, aba-Levi-ke abo; beno-Elishama, no-Yehoram abenzeleleli.

9 Bafundisa-kê kwa-Yuda, benencwadi yomyalelo ka-Yehova, bayijikeleza imizi yonke yakwa-Yuda, befundisa abantu.

10 Zonke izikumkani zamazwe ajikeleze ama-Yuda; zangenelwa kukoyika u-Yehova, azalwa no-Yehoshafati.

11 Nakuma-Filisti babekô abazisa iminikelo nemitwalo ku-Yehoshafati ye-silvere; kananjalo ama-Arabi azisa kuye impahl' emfutshane, amawaka asixênxe anamakûlu asixênxe enkunzi zegusha, namawaka asixênxe anamakûlu asixênxe enkunzi ze-bôkwe.

12 U-Yehoshafati waya eba mkûlu ngokuba mkûlu, wada wenyuka, wakâ kwa-Yuda inqaba nemizi engovimbâ.

13 Waye nempahla eninzi emizini yakwa-Yuda; wâye namadoda okulwa, amagofa anoburoti e-Yerusalem.

14 Kukô oku okulandelana kwawo ngokwezindlu zoyise: kwa-Yuda abatêtêli bamawaka ngu-Adena umtêtêli, enamakûlu amatâtû amawaka amagofa anoburoti;

15 Nganeno kwakê ngu-Yehohanan umtêtêli, enamakûlu amabini anamanci asibôzo amawaka;

16 Nganeno kwakê ngu-Amasiya unyana ka-Zikri, owazinikela ku-Yehova ngokuqûtywa yintliziyo, enamakûlu amabini amawaka amagofa anoburoti.

17 Kuma-Benyamin ngu-Eliyada, igofa elinoburoti, enamakûlu amabini amawaka axôbe izapêta nengweletshetshe;

18 Nganeno kwakê ngu-Yozabadi, enekûlu elinamanci asibôzo amawaka axôbele imfazwe.

19 Ngabo abo babekônza kukumkani; bebodwa abamisiweyo ngukumkani emizini enqatyisiweyo kwelakwa-Yuda lonke.

18 Ke u-Yehoshafati ube nobutyebi nozuko ngokukûlu, wazekelana no-Ahabi.

2 Wehla ekupêleni kweminyaka etile. waya ku-Ahabi kwa-Samari. U-Ahabi wamxêlela impahl' emfutshane nenkomo ezininzi, waxêlela nabantu abe nabo, wamncenga ukuba anyuke naye aye e-Ramoti yase-Giliyadi.

3 Watî u-Ahabi ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati ukumkani wakwa-

Digitized by Google

Yuda, Wohambå-na nam, siye kulwa ne-Ramoti yase-Giliyadi? Watî kuye, Ndinjengawe, abantu bam banjengabantu bakô; soya nawe ekulweni.

4 Watî u-Yehoshafati kukumkani wakwa-Sirayeli, Kâubuzise elanamhla ilizwi lika-Yehova.

5 Wabahlanganisa-ke ukumkani wakwa-Sirayeli aba-profeti, amakûlu amane amadoda, watî kubo, Siye kulwa-na ne-Ramoti yase-Giliyadi, ndiyeke kusinina? Batî, Nyuka, u-Tixo woyinikela esandleni sokumkani.

6 Watî u-Yehoshafati, Akusekô m-profeti ka-Yehova-na apâ, sibuzise kuye?

7 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Kusekô indoda enye, esingabuzisa ngayo ku-Yehova, ke mna ndiyitîyile; ngokuba ayiprofeti okulungileyo ngam, iprofeta okubi imihla yayo yonke; ngu-Mikaya [1] unyana ka-Imla. Watî u-Yehoshafati, Makangatsho ukumkani.

8 Waza ukumkani wakwa-Sirayeli wabiza umbusi, watî, Kâulezisa u-Mikaya unyana ka-Imla eze apâ.

9 Ke ukumkani wakwa-Sirayeli no-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda babehleli elowo e-troneni yakê, bambête ingubo zabo, behleli ebaleni, ekungeneni esangweni lakwa-Samari; bonke aba-profeti beprofeta pâmbî kwabo.

10 Ke u-Tsedekiya unyana ka-Kenahana wazenzela impondo zesinyiti, watî, Utsho u-Yehova ukutî, Uya kuwangqula ngazo ezi ama-Aram, ude uwagqibe.

11 Bonke aba-profeti benjo njalo ukuprofeta, besitî, Nyuka uye e-Ramotî yase-Giliyadi ube nempumelelo; u-Yehova uya kuyinikela esandleni sokumkani.

12 Ke umtûnywa obeye kubiza u-Mikaya, watêtâ kuye, esitî, Kâubone, amazwi aba-profeti atêtâ okuhle ngamlomo mnye kukumkani; izwi lakô makê libe njengelabo, utête okuhle.

13 Watî u-Mikaya, Ehleli-nje u-Yehova, atê wakutêtâ u-Tixo wam, ndotêtâ kôna.

14 Wafika kukumkani; wati ukumkani kuye, Mikaya, siye-na e-Ramoti yase-Giliyadi ukuba silwe, ndiyeke kusinina? Watî, Nyuka, ube nempumelelo; bayakunikelwa esandleni senu.

15 Watî ukumkani kuye, Makube zihlandlo ezingapina ndikufungisa, ukuba ungatêti uto kum inge yiyo inyaniso ngegama lika-Yehova?

16 Watî yena; Ndibone ama-Sirayeli onke elusali ezintabeni njengeempahl' emfutshane enge namalûsi. Watî u-Yehova, Abanankosi; mababuyele elowo endlwini yakê enoxolo.

17 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Bendingatshongo-na kuwe ukutî, akakuprofeta okuhle ngam, koba kokubi?

18 Watî yena, Ngako oko liveni ilizwi lika-Yehova: Ndimbonile u-Yehova ehleli e-troneni yakê, umi wonke umkôsi wasezulwini ngasekunene kwakê nangasekôhlo kwakê.

19 Watî u-Yehova, Ngubanina oya kulukuhla u-Ahabi ukumkani wama-Sirayeli, enyuke aye awe e-Ramoti yase-Giliyadi? Wenje nje lo ukutêtâ, wenje nje lo ukutêtâ.

20 Wapûma-ke umoya, wema pâmbî ko-Yehova, watî, Ndomlukuhla mna. Watî u-Yehova kuwo, Nganto-nina?

21 Watî wona, Ndopûma ndiye, ndibe ngumoya wobuxoki emlonyeni waba-profeti bakê bonke. Watî *yena*, Mlukuhle ufeze; pûma uye wenje njalo.

22 Uyabona kaloku, u-Yehova ungenise umoya wobuxoki emlonyeni waboba-profeti bakô; u-Yehova utêtê okubi ngawe.

23 Wesuka u-Tsedekiya unyana ka-Kenahana, wafika, wambetâ u-Mikaya esidleleni, watî, Ugqitê ngayipina indlela umoya ka-Yehova ukumka kum, ukuba uye kutêtâ nawe?

24 Watî u-Mikaya, Kângela, uya kubona ngalomini, uya kuza utûngele amagumbî, uzimela.

25 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli, Mtâbatêni u-Mikaya, nibuye naye, nimse ku-Amon umtêtêli womzi, naku-Yowashe unyana wokumkani,

26 Nitî, Utsho ukumkani ukutî, Mfakeni entolongweni lo, nimdlise isonka soxiniweyo namanzi oxiniweyo, ndide ndibuye ndinoxolo.

27 Watî u-Mikaya, Ukuba utê wabuya wabuya unoxolo: woba u-Yehova akatêtânga ngam. Watî, Yivani, nonke zizwe zipêla.

28 Wenyuka-ke ukumkani wakwa-Sirayeli no-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, baya e-Ramoti yase-Giliyadi.

[1] U-Mikayehu.

Digitized by Google

29 Watî ukumkani wakwa-Sirayeli ku-Yehoshafati, Ndiya kuzenza mntu wumbî, ndingene ekulweni; yambâtâ ingubo zakô wena. Wazenza mntu wumbî ukumkani wakwa-Sirayeli, bangena ekulweni.

30 Ke ukumkani wakwa-Aram wabawisela umtêtô abatêtêli benqwelo zokulwa abe nazo, watî, Ize ningalwi nomncinane nomkûlu; yilwani nokumkani wakwa-Sirayeli yedwa.

31 Kwatî, bakumbona u-Yehoshafati abatêtêli benqwelo zokulwa, batî bona, Ngukumkani wakwa-Sirayeli, bamfaula, beza kulwa naye. Wakâla u-Yehoshafati; u-Yehova wamnceda, u-Tîxo wabasonga kuye.

32 Kwatî, bakubona abatêtêli benqwelo zokulwa, ukuba asingukumkani wakwa-Sirayeli, babuya ekumsukeleni.

33 Watî umntu watyeda isapêta efunisela, watola ukumkani wakwa-Sirayeli ekuhlanganeni kwengubo yentsimbî namasondo ayo. Watî kumqûbi wenqwelo yakè yokulwa, Jika izandla zakô, undikûpele ngapândle komkôsi, ngokuba ndinxwelefiwe.

34 Ukulwa kwenyuka lomini. Ukumkani wakwa-Sirayeli wazimisa enqweleni pâmbî kwama-Aram kwada kwahlwa; wafa ukutshona kwelanga.

19 Wabuya u-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda, waya endlwini yakè e-Yerusalem enoxolo.

2 Wapûma u-Yehu unyana ka-Hanani, imbôni, esiya kumkâulela, watî kukumkani u-Yehoshafati, Kukutî-nina ukuba uncede ongendawo, ubatande abatîyi baka-Yehova? Kungoko bugalelekileyo kuwe ubufalafume obupûma ku-Yehova.

3 Noko kambè kukô izinto ezintle ezifumanekileyo kuwe; ngokuba ubatshisile o-Ashera ezweni, wayisingisela intliziyo yakô ekumfuneni u-Tîxo.

4 Wahlala u-Yehoshafati e-Yerusalem, wabuya, wapûma, wahambâ pâkatî kwabantu, watâbatêla e-Ber-sheba, wesa ezintabeni zakwa-Efrayim, wababuyisela ku-Yehova, u-Tîxo woyise.

5 Wamisa abagwebi ezweni, emizini yonke yakwa-Yuda enqatyisiweyo, kwimizi ngemizi.

6 Watî kubagwebi, Kulumkeleni enikwenzayo; ngokuba akungenxa yomntu ukugweba kwenu, kungenxa ka-Yehova; unani-ke emcimbîni wokugweba.

7 Ngoko-ke ukoyikwa kuka-Yehova makube pèzu kwenu; yenzani ngobulumko; ngokuba akukô bugqwêtâ ku-Yehova u-Tîxo wetû, nakukêtâ buso, nakwamkela sicengo.

8 Kananjalo e-Yerusalem u-Yehoshafati wamisa inxenye yaba-Levi nabenzeleleli, nentloko *zezindlu* zoyise zakwa-Sirayeli, ngenxa yogwebo luka-Yehova, nangenxa yokubambâna *kwabantu*. Babuyela kwase-Yerusalem.

9 Wabawisela umtêtô, watî, Niya kwenje njalo ukumoyika u-Yehova, ngokunyanisekileyo, nangentliziyo epêleleyo.

10 Zonke indawo ekubanjwene ngazo eziza kuni, zivela kubazalwana benu, abahleli emizini yabo, pâkatî kwegazi negazi, pâkatî komyalelo nomtêtô nemimiselo namasiko: nobakânyisela, ukuze bangabi natyala ku-Yehova, bunganifikeli nina nabazalwana benu ubufalafume bakè; nenje njalo, ukuze ningabi natyala.

11 Nanko u-Amariya umenzeleleli omkûlu, epèzu kwenu ezintweni zonke zika-Yehova, no-Zebadiya unyana ka-Ishmayeli, ingânga yendlu yakwa-Yuda, ezintweni zonke zokumkani; naba-Levi boba ngababâli pâmbî kwenu. Yomelelani nenze, u-Yehova woba nolungileyo kuni.

20 Kwatî emveni koko, onyana baka-Mowabi nonyana baka-Amon, benama-Mahun, beza kulwa no-Yehoshafati.

2 Beza bamxelela u-Yehoshafati, batî, Kuza kuwe ingxokolo eninzi, evela pêsheya kolwandle, kwa-Edom; nantso e-Hatsetson-tamare eyi-Engedi.

3 Woyika u-Yehoshafati, wazinikela ngokwakè ekumfuneni u-Yehova, watî makuzilwe ukudla ngama-Yuda onke.

4 Ahlanganisana-ke ama-Yuda efuna uncedo ku-Yehova, nasemizini yonke yakwa-Yuda bapûma befuna u-Yehova.

5 Wema u-Yehoshafati ebandleni lakwa-Yuda nelase-Yerusalem, endlwini ka-Yehova, pâmbî kwentendelezo entsha,

6 Watî, Yehova, Tîxo wobawo, Asinguwe-na ongu-Tîxo ezulwini? Asinguwena umlauli ezikumkanini zonke zentlanga? akasesandleni sakô-na amandla nobugoŕa, kuba kungabikô unokuzimisa ngakuwe?

Digitized by Google

7 Asinguwe-na u-Tixo wetú, owabagqogqayo abemi belilizwe pámbí kwabantu bakó ama-Sirayeli, waza walinika imbéwu ka-Abraham, okutándayo, ngonapákade?

8 Bahlala kulo, bakwakéla kulo indawo engcwele ngenxa yegama lakó, besití,

9 Ukuba sité sasifikelwa bububi, neŕele, nomgwebo, nendyikitya yokufa, nendlala, sema pámbí kwalendlu napámbí kwakó, (ngokuba likulendlu igama lakó,) sakála kuwe ekubandezelekeni kwetú, wosiva usindise.

10 Yabona-ke, naba onyana baka-Amon nabaka-Mowabi, nabasentabeni yakwa-Sehire, owaungavumanga ukuba ama-Sirayeli abangenele ekupúmeni kwawo ezweni lase-Yiputa; ngokuba abayeka akabatshabalalisa;

11 Naba-ke besibuyekeza ngokuza kusigxotá elifeni lakó, owasinikayo ukuba silidle.

12 Tixo wetú, akuyi kubagweba-na? Ngokuba asinamandla okumelana nalengxokolo ininzi isizelayo; tina asazi ukuba sotí-nina; kodwa amehlo etú akuwe.

13 Ema-ke onke ama-Yuda pámbí ko-Yehova, nentsana zawo, nabafazi bawo, nonyana bawo.

14 U-Yahaziyeli unyana ka-Zekariya, unyana ka-Benaya, unyana ka-Yehiyeli, unyana ka-Mataniya, um-Levi wakonyana baka-Asafu, wafikelwa ngumoya ka-Yehova epákatí kwebandla elo;

15 Watí, Bazani indlebe, nonke ma-Yuda, nabemi base-Yerusalem, nawe kumkani Yehoshafati. Utsho u-Yehova ukutí kuni, Musan' ukoyika, musan' ukuqípúk' umbilini ngenxa yalengxokolo inje ukuba ininzi; ngokuba imfazwe-le asiyeyenu, yeka-Tixo.

16 Yihlani ngomso, niye kulwa nabo; nabo benyuka ngeqina le-Tsitsi; nobafumana ekupéleni kwesihlambó, pámbí kwentlango yase-Yeruweli.

17 Le yanamhla asiyeyenu; zimiseni, nime, nilubone usindiso luka-Yehova onani, ma-Yuda ne-Yerusalem. Musan' ukoyika, musan' ukuqípúk' umbilini. Púmani ngomso, nibahlangabeze; u-Yehova unani.

18 Watóba u-Yehoshafati, ebubékise uhuso emhlabeni; nama-Yuda onke, nabemi base-Yerusalem bawa pámbí ko-Yehova, baqubuda ku-Yehova.

19 Basuka bema aba-Levi, bakonyana baka-Kehati, nabakonyana bama-Kora, ukuba badumise u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ngezwi elikúlu kunene.

20 Bavuka kusasa ngengomso, bapúma baya entlango ye-Tekowa. Ekupúmeni kwabo wema u-Yehoshafati, watí, Ndipúlapúleni, nina, ma-Yuda, nani bemi base-Yerusalem. Kólwani ku-Yehova u-Tixo wenu, nozimaseka; kólwani kubaprofeti bakė, noba nempumelelo.

21 Utė akucebisana nabantu, wamisa imvumi zika-Yehova zokudumisa zivetė ezingcwele, eziya kupúma zihambá pámbí kwabaxóbileyo, zisití, Bulelani ku-Yehova; ngokuba ingunapákade inceba yakė.

22 Batė bakuqala ukumemelela nokudumisa, u-Yehova wabafikisela abalaleli onyana baka-Amon, nabaka-Mowabi, nabasentabeni yakwa-Sehire, abebeze kuma-Yuda; babulawa.

23 Ngokuba onyana baka-Amon nabaka-Mowabi besuka balwa nabemi bentaba yakwa-Sehire, ukuba babasingele pántsi, babatshabalalise. Bakubagqiba abemi bakwa-Sehire, babulalana kwabodwa.

24 Afika ama-Yuda embóniselweni yasentlango, akángela kulongxokolo, abona bezidúmbú begqungquluzile emhlabeni, kungekó usindileyo.

25 U-Yehoshafati nabantu bakė beza kupánga amaxóba; bafumana kubo into eninzi, impahla, nezidúmbú, nezinto ezinqwenelekayo; bazipángela, kwayinkohla ukuyitwala. Baba ntsuku ntatú bewapánga amaxóba, ngokuba abe maninzi.

26 Ngomhla wesine bahlanganisana entilini yoku-Bonga; kuba bambonga kóna u-Yehova; ngenxa yoko batí igama lalendawo yintili yoku-Bonga, unanamhla.

27 Abuya onke amadoda akwa-Yuda nawase-Yerusalem, u-Yehoshafati esentloko yawo, ukuze abuye aye e-Yerusalem enovuyo; ngokuba u-Yehova wenza ukuba azivuyelele intshaba zawo.

28 Angena e-Yerusalem enemifubė nehadi nemaxilongo, aya endlwini ka-Yehova.

29 Ukoyikwa kuka-Yehova kwazifikela zonke izikumkani zamazwe zakuva, ukuba u-Yehova ulwile nentshaba zakwa-Sirayeli.

30 Bazola-ke ubukumkani buka-Yehoshafati; u-Tixo wakė wampúmza ngenxa zonke.

Digitized by Google

31 U-Yehoshafati waye ngukumkani kwa-Yuda; ube neminyaka imashumi matâtû ananihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakè; waba neminyaka emashumi mabini ananihlanu engukumkani e-Yerusalem; igama lonina lalingu-Azuba intombi ka-Shilehi.

32 Wahambâ ngendlela yoyise u-Asa, akatyeka kuyo; wenza okutè-tye emehlweni ka-Yehova.

33 Kodwa izigānga abazisusanga; abantu babengekazibèkisi intliziyo zabo ku-Tixo woyise.

34 Ezinye izinto zika-Yehoshafati, ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibâliwe emicimbini ka-Yehu unyana ka-Hanani, eyafakwa enewadini yokumkani bakwa-Sirayeli.

35 Emveni koko u-Yehoshafati ukumkani wakwa-Yuda wazimanya no-Ahaziya ukumkani wakwa-Sirayeli, lowo wenzayo okungendawo.

36 Wazimanya naye ngokwenza inqanawa zokuya kwa-Tarshishe; bazenza inqanawa e-Etsiyon-gebere.

37 Waprofeta u-Eliyezere unyana ka-Dodava wase-Maresha ngo-Yehoshafati, esiti, Ngokudibana kwakô no-Ahaziya uyapûle u-Yehova imisebenzi yakô. Zapûka-ke inqanawa-ezo, azabi nakuya kwa-Tarshishe.

21 U-Yehoshafati walala koyise, wancwatyelwa koyise emzini ka-Davide; u-Yehoram unyana wakè waba ngukumkani esikûndleni sakè.

2 Ube nabaninawa, onyana baka-Yehoshafati: u-Azariya, no-Yehiyeli, no-Zekariya, no-Azariya, no-Mikayeli, no-Shefatiya; bonke abo ngonyana baka-Yehoshafati ukumkani wakwa-Sirayeli.

3 Uyise wabanika izipô ezininzi ze-silvere neze-golide, nezinto ezintle, kunye nemizi enqatyisiweyo kwa-Yuda; ke ubukumkani wabunika u-Yehoram, ngokuba ebe ngowamazibulo.

4 Akupâkama u-Yehoram ebukumkanini boyise, wazomeleza, wababulala bonke abaninawa bakè ngefele, nenxenye yenkosana zakwa-Sirayeli.

5 Ube minyaka imashumi matâtû anamibini ezelwe u-Yehoram, ukuba ngukumkani kwakè; waba neminyaka esibôzo engukumkani e-Yerusalem.

6 Wahambâ ngendlela yokumkani bakwa-Sirayeli, njengoko yenza ngako indlu ka-Ahabi; ngokuba wayezeke intombi ka-Ahabi; wenza ububi emehlweni ka-Yehova.

7 Ke akavumanga u-Yehova ukuyonakalisa indlu ka-Davide ngenxâ yomhqopiso, awawenzela u-Davide, njengoko watètâyo, ukuba uya kumnika isibane kwa nonyana bakè yonke imihla.

8 Ngemihla yakè ama-Edom afeqa esandleni sakwa-Yuda, azenzela ukumkani.

9 Wagqitâ u-Yehoram, enabatètêli bakè, enenqwelo zakè zonke zokulwa; wavuka ebusuku, wawabulala ama-Edom abemfaule ngenxa zonke, nabatètêli benqwelo zokulwa.

10 Afeqa-ke ama-Edom, apûma pântsi kwesandla sama-Yuda, unanamhla. Yaza yafeqa i-Libena esandleni sakè kwangeloxesha; ngokuba ebemshiyile u-Yehova, u-Tixo woyise.

11 Kananjalo yena wenza izigānga ezintabeni zakwa-Yuda; wabahenyuzisa abemi base-Yerusalem, wawawexula ama-Yuda.

12 Kweza kuye incwadi, ivela ku-Eliya umprofeti, isiti, Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Davide uyihlo, ukuti, Ngetûba lokuba ungahambânga ngendlela zika-Yehoshafati uyihlo, nangendlela zika-Asa ukumkani wakwa-Yuda;

13 Usuke wahambâ ngendlela zokumkani bakwa-Sirayeli, wawahenyuzisa ama-Yuda, nabemi base-Yerusalem ngokokuhenyuzisa kwendlu ka-Ahabi; kananjalo wababulala abaninawa bakô bendlu kayihlo, ababelungile kunawe.

14 Yabona, u-Yehova uya kubabetâ ngesibetô esikûlu abantu bakô, nonyana bakô, nabafazi bakô, nempahla yako yonke;

15 Ke wena wobetwa zizifo ezininzi, sisifo sezibilini zakô, zide zipûme izibilini zako sisifo, semihla ngemihla.

16 U-Yehova wawaxôkonxa ama-Filisti, nama-Arabi asecaleni lama-Kushi ukuba amcâse u-Yehoram.

17 Enyuka eza kwelama-Yuda, atyoboza angena kulo, atîmbâ yonke impahla eyafumaneka endlwini yokumkani, kwa nonyana bakè, nabafazi bakè; abamshiya nanyana, yangu-Yehowahazi unyana wakè omncinane yedwa.

18 Emveni kwezonto u-Yehova wambetâ ezibilinlni zakè ngesifo esinge nakupiliswa.

Digitized by Google

19 Kwati ekuhambeni kwexesha, ekupeleni kweminyaka emibini esifa, zapuma izibilini zake, esifa njalo; wafa esezintlungwini ezinkulu. Abantu bake abamenzelanga baso njengoyise.

20 Ube minyaka imashumi matatu anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwake; waba neminyaka esibozo engukumkani e-Yerusalem; wemka, engalilelwa bani. Bamncwabela emzini ka-Davide; kodwa akancwatyelwa emancwabeni okumkani.

22 Abemi base-Yerusalem bamenza u-Ahaziya unyana wake omncinane ukumkani esikundleni sake; ngokuba bonke abakulu babebulewe ngamatutu aweza nama-Arabi emkosini. Waba ngukumkani-ke u-Ahaziya unyana ka-Yehoram, ukumkani wama-Yuda.

2 U-Ahaziya ube minyaka imashumi mane anamibini ezelwe ukuba ngukumkani kwake; waba namnyaka mnye engukumkani e-Yerusalem; igama lonina lalingu-Ataliya intombi ka-Omri.

3 Kananjalo yena wahamba ngendlela zendlu ka-Ahabi; ngokuba uhina ube ngumcebisi wake, ukuba enze okungendawo.

4 Wenza ububi emehlweni ka-Yehova njengendlu ka-Ahabi; ngokuba bebe ngabacebisi bake bona emva kokufa kukayise, bemonakalisa.

5 Kananjalo wahamba ngecebo labo; wahamba no-Yehoram unyana ka-Ahabi, ukumkani wakwa-Sirayeli, waya kulwa no-Azayeli ukumkani wama-Aram, e-Ramoti yase-Giliyadi; ama-Aram amnxwelela u-Yehoram.

6 Wabuya, eza kunyangwa e-Yizereli lomanxeba wawafumana e-Rama, lokulweni kwake no-Azayeli ukumkani wama-Aram. Wehla u-Azariya unyana ka-Yehoram, ukumkani wakwa-Yuda, waya kubona u-Yehoram unyana ka-Ahabi e-Yizereli, ngokuba ebesifa.

7 Kwapuma kuTixo ukutyunyuzwa kuka-Ahaziya, ngokuti eze ku-Yehoram. Ekufikeni kwake wapuma no-Yehoram; baya ku-Yehu unyana ka-Nimshi, awamtambisayo u-Yehova ukuba ayinqamle indlu ka-Ahabi.

8 Kwati, ekugwetyweni kwendlu ka-Ahabi ngu-Yehu, wafumana abatetheli bakwa-Yuda, nonyana babazalwana baka-Ahaziya, ababelungiselela ku-Ahaziya, wababulala.

9 Wafuna u-Ahaziya; bambamba ezinele kwa-Samari, bamsa ku-Yehu, bambulala; bamncwaba; ngokuba bebesiti, Ngunyana ka-Yehoshafati, obemfuna u-Yehova ngentliziyo yake yonke. Indlu ka-Ahaziya yayinge nabani unokupata ubukumkani.

10 Wati-ke u-Ataliya uhina ka-Ahaziya akubona ukuba ufile unyana wake, wesuka wayitshabalalisa ngobubedengu yonke imbewu enobukosi bendlu yakwa-Yuda.

11 U-Yehoshabati, intombi yokumkani, wamtabata u-Yowashe unyana ka-Ahaziya, wamba pakati konyana bakakumkani ababulawayo, wamboka yena nomondli wake egumbini lokulala. U-Yehoshabati, intombi yokumkani u-Yehoram, umka-Yehoyada umenzeleleli, (ngokuba ube ngudade bo-Ahaziya,) wamfihla ku-Ataliya, ukuze angabulawa.

12 Waye nabo endlwini ka-Tixo eziinyeziwe iminyaka emithandatu; ke u-Ataliya waba ngukumkanikazi welizwe-elo.

23 Ngomnyaka wesixenxe wazomeleza u-Yehoyada, watabata abatetheli-makulu, u-Azariya unyana ka-Yehoram, no-Ishmayeli unyana ka-Yehohanan, no-Azariya unyana ka-Obedi, no-Mahaseya unyana ka-Adaya, no-Elishafati unyana ka-Zikri, wanqopisana nabo.

2 Bajikeleza kwa-Yuda, babahlanganisa aba-Levi emizini yonke yakwa-Yuda, nentloko zonke zezindlu zoyise zakwa-Sirayeli, beza nabo e-Yerusalem.

3 Lesuka lonke ibandla lenza umnqopiso nokumkani endlwini ka-Tixo. Wati kubo *u-Yehoyada*, Yabonani, unyana wokumkani makabe ngukumkani, njengoko wakutethayo u-Yehova ngonyana baka-Davide.

4 Yiyo le into eniya kuyenza: esinye isahlulo sesitatu kuni bangehayo nge-sabata, kubenzeleleli nakuba-Levi, soba ngabagcini bemisango;

5 Esinye isahlulo sesitatu soba sendlwini yokumkani, esinye isahlulo sesitatu soba sesangweni le-Siseko; abantu bonke boba sezintendelezweni zendlu ka-Yehova;

6 Ize kungangeni bani endlwini ka-Yehova, ngapandle kwabenzeleleli nabalungiseleli bakuba-Levi; bona baya kunge-

Digitized by Google

na, ngokuba bangcwele; bonke abantu bazigcine izigxina zika-Yehova.

7 Aba-Levi bomngqonga ukumkani ngenxa zonke, elowo epêtê intonga zakê ngesandla; ongowumbî ongenayo endlwini makabulawe; babe nokumkani ekungeneni kwakê nasekupûmeni kwakê.

8 Benza-ke aba-Levi nama-Yuda onke njengako konke, awabawisela umtêtô ngako u-Yehoyada umenzeleleli. Batâbatâ elowo amadoda akê, abengena nge-sabatâ nabepûma nge-sabatâ; ngokuba u-Yehoyada umenzeleleli akawandululanga amaqela-lawo.

9 U-Yehoyada umenzeleleli wabanika abatêtêli-makûlu intshuntshe, nengweletshetshe, namakâka, abe ngakakumkani u-Davide, abe sendlwini ka-Tîxo;

10 Wabamisa bonke abantu, elowo enentonga zakê esandleni; batâbatêla kwelokunene igxalaba lendlu, besa kwelokôhlo igxalaba lendlu, ngasesibingelelweni nangasendlwini, kukumkani ngenxa zonke.

11 Bamkûpêla pândle unyana wokumkani, bamfaka isitsaba, bamnika isinqîniso, bamenza ukumkani; u-Yehoyada nonyana bakê bamtâmbîsa, batî, Makadle ubomi ukumkani.

12 Utê u-Ataliya akusiva isandi sabantu, begidima, bedumisa ukumkani, weza ebantwini endlwini ka-Yehova;

13 Wakângela, wambona ukumkani emi endaweni epâkamileyo ekungeneni, abatêtêli nabavutêli-maxilongo bengakukumkani; abantu bonke belizwe bevuya, bevutêla amaxilongo; imvumi zinempahla zokuvuma, zihlabela awokudumisa. U-Ataliya waziŕazula ingubo zakê, watî, Licebo! licebo!

14 U-Yehoyada umenzeleleli wabawisela umtêtô abatêtêli-makûlu, abaveleli bomkôsi, watî kubo, Mkûpeleni pândle pâkatî kwezintlu; omlandelayo makabulawe ngeŕele; ngokuba ubesitî umenzeleleli, Makangabulalelwa endlwini ka-Yehova.

15 Bamkŵelela-ke ngenxa zombîni; waya ekungeneni kwesango lamahashe endlwini yokumkani; bambulalela kôna.

16 Wenza u-Yehoyada umnqopîso pâkatî kwakê nabantu bonke, nokumkani, ukuba babe ngabantu baka-Yehova.

17 Baya bonke abantu endlwini ka-Bahali, bayidiliza, nezibingelelo zakê nemifanekiso yakê bayiqêkeza, bambulala u-Matan umenzeleleli ka-Bahali pâmbî kwezibingelelo.

18 U-Yehoyada wamisa abaveleli bendlu ka-Yehova ngesandla sabenzeleleli abangaba-Levi, awabahlulela u-Davide indlu ka-Yehova, ukuba banyuse amadini anyukayo ka-Yehova, ngoko kubâliweyo emyalelweni ka-Moses, benovuyo nengoma ngoko kumiselwe ngu-Davide.

19 Wamisa abagcini-masango emasangweni endlu ka-Yehova, ukuze kungangeni uyinqambi nanganto-ni.

20 Watâbatâ abatêtêli-makûlu, nezinâna, nabalauli babantu, nabantu bonke belizwe, wehla nokumkani endlwini ka-Yehova; bangena ngesango elipêzulu lendlu yokumkani, bambeka ukumkani e-troneni yokumkani.

21 Bavuya-ke bonke abantu belizwe, umzi wazola; bambulala-ke u-Ataliya ngeŕele.

24 U-Yowashe ube minyaka isixénxe ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emashumi mane engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Tsibeya wase-Ber-sheba.

2 U-Yowashe wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova yonke imihla ka-Yehoyada umenzeleleli.

3 U-Yehoyada wamzekela ababafazi ababini; wazala onyana nentombî.

4 Kwatî emveni koko, kwaba sentliziyweni ka-Yowashe, ukuba ayihlaziye indlu ka-Yehova.

5 Wabahlanganisa abenzeleleli naba-Levi, watî kubo, Pûmani niye emizini yakwa-Yuda, nibutê imali kuma-Sirayeli onke yokuyihlaziya indlu ka-Tîxo wenu iminyaka ngeminyaka. Yikâuleziseni lonto; ke aba-Levi abayikâulezisanga.

6 Ukumkani wambiza u-Yoyada *umenzeleleli* omkûlu, watî kuye, Yinina ukuba ungabaveleli aba-Levi, bayizise i-fafu kuma-Yuda nase-Yerusalem ngokomyalelo ka-Moses umkônzi ka-Yehova, nowebandla lama-Sirayeli ngenxa yen-tente yesinqîniso?

7 (Ngokuba u-Ataliya lamfazi ungendawo nonyana bakê babeyigqobozile indlu ka-Tîxo; kananjalo zonke izinto ezingcwele zendlu ka-Yehova babezenze ezo-Bahali).

8 Wati ukumkani, mabenze umkômbê,

Digitized by Google

bawubeke esangweni lendlu ka-Yehova ngapândle.

9 Batûmela ilizwi kwa-Yuda nase-Yerusalem, ukuba kuziswe ku-Yehova i-fafu eyamiswa ngu-Moses umkônzi ka-Tîxo, pêzu kwama-Sirayeli entlango.

10 Bavuya bonke abatêtêli nabantu bonke; bayizisa, bayipôsa emkômbêni, wada wazala.

11 Kwatî-ke ngexesha lokuziswa komkômbê ngesandla saba-Levi kubaveleli bokumkani; bakubon'ukuba ininzi imali, weza umbâli kakumkani, nomveleli womenzeleleli omkûlu, bayiwahlaza imali esemkômbêni, baza bawutŵala, bawubuyisela endaweni yawo. Benje njalo imihla ngemihla, bahlanganisa imali yaninzi.

12 Ukumkani no-Yehoyada bayinikela kubenzi bomsebenzi wenkonzo endlwini ka-Yehova; bona baqesha abaxôli bamatye nencîbi zemitî, ukuba bayihlaziye indlu ka-Yehova; nencîbi zesinyiti nezobêdu, ukuba zilungise indlu ka-Yehova.

13 Basebenza-ke abenzi bomsebenzi; wenyuka umsebenzi wokuyihlaziya ezandleni zabo; bayimisa indlu ka-Tîxo, yazinziswa yazinyaswa.

14 Bakuyigqiba bayizisa imali eseleyo pâmbî kokumkani, no-Yehoyada, benza ngayo impahla zendlu ka-Yehova, impahla zokulungiselela, nezamadini anyukayo, nenkambâ, nempahla ze-golide nezesilvere. Baye benyusa amadini anyukayo endlwini ka-Yehova ngamaxesha onke yonke imihla ka-Yehoyada.

15 Ke u-Yehoyada wayesele yingwevu, ehambîsekile ebudaleni, ukufa kwakê. Ebe minyaka ilikûlu linamanci matâtû ezelwe, ukufa kwakê.

16 Bamncŵabela emzini ka-Davide kokumkani; ngokuba wenza okulungileyo kwa-Sirayeli, naku-Tîxo, nakwindlu yakê.

17 Emva kokufa kuka-Yehoyada beza abatêtêli bakwa-Yuda, baqubuda kukumkani. Waza wabapûlapûla ukumkani.

18 Bayishiya indlu ka-Yehova, u-Tîxo woyise, bakônza o-Ashera nezitîxo. Afikelwa bufalafume ama-Yuda ne-Yerusalem ngenxa yelotyala lawo.

19 Watûma aba-profeti kubo bokubabuyisela ku-Yehova, babaqononondisa; ke bona abapûlapûla noko.

20 Umoya ka-Tîxo wamtî-gqubutû u-Zekariya unyana ka-Yehoyada, umenzeleleli, wema pêzu kwabantu, watî kubo, Utsho u-Tîxo ukutî, Yinina ukuba niyigqitê imitêtô ka-Yehova, nize ningabi nampumelelo? ngokuba nimshiyile u-Yehova, wonishiya nani.

21 Bamceba, bamxuluba ngamatye ngokomtêtô wokumkani entendelezweni yendlu ka-Yehova.

22 Wenjenjalo u-Yowashe ukumkani, akayi kûmbûla inceba abeyenzile u-Yehoyada uyise ka-Zekariya kuye; wesuka wambulala unyana wakê. Ekufeni kwakê watî, U-Yehova wokângela abuze.

23 Kwatî ekupêleni konnyaka, yenyuka yeza kuye impi yama-Aram; eza kwa-Yuda nase-Yerusalem, abatshabalalisa bonke abatêtêli babantu ebantwini; onke amaxôba awo awatûmela kukumkani wase-Damasko.

24 Ngokuba impi yakwa-Aram yeza inamadoda ambalwa; u-Yehova wanikela esandleni sayo impi eninzi kunene; ngokuba bebemshiyile u-Yehova, u-Tîxo woyise. Amgweba-ke u-Yowashe.

25 Ekumkeni kwawo kuye, (ngokuba amshiya enentlungu ezinkulu,) bamceba abakonzi bakê (ngenxa yamagazi onyana baka-Yehoyada umenzeleleli,) bambulalela esinqênqêlweni sakê, wafa; bamncŵabela emzini ka-Davide; ke abamncŵabelanga emancŵabeni okumkani.

26 Abo-ke bamcebayo ngu-Zabadi unyana ka-Shimehati, um-Amonikazi, no-Yozabadi unyana ka-Shimriti, um-Mowabikazi.

27 Ke onyana bakê, nobuninzi bezihlabo ezimsongelayo, nokusekwa kwendlu ka-Tîxo, nanzo, zibâliwe encwadini zamabali okumkani. U-Amatsiya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

25 U-Amatsiya ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emashumi mabini anesitôba engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Yehowadan wase-Yerusalem.

2 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova; kodwa kunge ngantliziyo ipêleleyo.

3 Kwatî, bakuqiniselwa ubukumkani kuye, wababulala abakonzi bakê, ababebulele ukumkani uyise.

4 Ke onyana babo akababulalanga kwa njengoko kubâliwoyo emyalelweni, encwadini ka-Moses, apô u-Yehova ebewise kôna umtêtô wakutî: Mabangabulawa oyise ngenxa yonyana, nonyana mabanga-

Digitized by Google

bulawa ngefixa yoyise; elowo makabulawe ngesakê isono.

5 U-Amatsiya wawahlanganisa ama-Yuda onke, wawamisa ngokwezindlu zoyise, ngokwabatêtêli-mawaka, nangokwabatêtêli-makulu, kuwo onke ama-Yuda nama-Benyamin; wababala, etâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, kunyuse. Wabafumana bengamakûlu amatâtû amawaka amadodana anokupûma umkôsi, epêtê intonga namakâka.

6 Waqesha kuma-Sirayeli ikûlu lamawaka amagofa anoburoti ngekûlu le-talente ze-silvere.

7 Kweza-ke umfo wakwa-Tixo kuye, esiti, Kumkani, mawungahambi nawe umkôsi wama-Sirayeli; ngokuba akakô u-Yehova kuma-Sirayeli, konyana bonke bakwa-Efrayim.

8 Hambâ wedwa, wenze, womelele ekulweni; u-Tixo akayi kukuwisa pâmbi kotshaba; ngokuba u-Tixo unamandla okunceda nawokuwisa.

9 U-Amatsiya wati kumfo wakwa-Tixo, Liya kutiwa-nina ikûlu le-talente, endalinika umkôsi wama-Sirayeli? Wati umfo wakwa-Tixo, U-Yehova angakunika okuninzi kunoko.

10 U-Amatsiya-ke wayahlula impi-leyo yayize kuye, ivela kwa-Efrayim, ukuba iye endaweni yayo. Wavutâ umsindo wayo kunene ngakuma-Yuda; babuya baya endaweni yabo bevutâ ngumsindo.

11 U-Amatsiya wazomeleza, wabaqûba abantu bakê, waya esi-Hlanjeni se-tyuwa, wabulala konyana bakwa-Sehire ishumi lamawaka.

12 Onyana baka-Yuda balitîmbâ elinye ishumi lamawaka lihleli; babasa encotsheni yengxondofa-leyo babapôsa pântsi encotsheni yengxondofa, badlabûka bonke bapêla.

13 Ke abomkôsi awababuyisayo u-Amatsiya, ukuba bangayi naye ekulweni, bayingenela imizi yakwa-Yuda, betâbatêla kwa-Samari, besa e-Bete-horon, babulala kuyo amawaka amatâtû, bapânga into eninzi *yamaxôba*.

14 Kwati, emva kokubuya kuka-Amatsiya ekuwabulaleni ama-Edom, wezisa izitixo zonyana bakwa-Sehire, wazimisa ukuba zibe zitixo zakê, waqubuda pâmbi kwazo, waqûmisela kuzo.

15 Wavutâ umsindo ka-Yehova ku-Amatsiya, watûmela um-profeti kuye, wati kuye, Yinina ukuba ufune izitixo zabantu ezingabahlangulanga abantu bazo esandleni sakô?

16 Kwati, esatêtâ naye, *ukumkani* wati kuye, Sikumisile yinina, ukuba ube ngumpâkati wokumkani? Yeka; yinina ukuba uzibetise? Wayeka um-profeti, wati, Ndiyazi, ukuba u-Tixo ugqibe kwelokuba akutshabalalise, ngokuba ukwenzile oku, akwalipûlapûla icebo lam.

17 U-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda watâbatâ icebo, watûmela ku-Yowashe, unyana ka-Yehowahazi unyana ka-Yehu, ukumkani wakwa-Sirayeli, wati, Kâuze, siqwalaselane ngamehlo.

18 U-Yowashe ukumkani wama-Sirayeli watûmela ku-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, wati, Ikâkakâka elise-Lebanon latûmela kum-sedare ose-Lebanon, lisiti, Unyana wam mnike intômbi yakô ibe ngumkakê. Ke ifamncwa lase-Lebanon laliwela, lalibûqa ikâkakâka-elo.

19 Uti, Yabona, ndiwabulele ama-Edom; yakupâkamisa intliziyo yakô, ukuba uzizukise; hlala kaloku endlwini yakô; yinina ukuba okunene ufeketê ngobubi, uwe wena, nama-Yuda anawe?

20 Akapûlapûla u-Amatsiya; ngokuba oko kwakupûma ku-Tixo, ukuze abanikele esandleni *sentshaba zabo;* ngokuba babefune izitixo zakwa-Edom.

21 Wenyuka-ke u-Yowashe ukumkani wakwa-Sirayeli; baqwalaselana ngamehlo, yena no-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda e-Bete-shemeshe, ekwa-Yuda.

22 Atyelwa-ke ama-Yuda ngama-Sirayeli; asaba, yangulowo waya en-tenteni yakê.

23 U-Yowashe ukumkani wakwa-Sirayeli wambambâ u-Amatsiya ukumkani wakwa-Yuda, unyana ka-Yowashe unyana ka-Yehowahazi e-Bete-shemeshe, wamzisa e-Yerusalem; waluqêkeza udonga lwase-Yerusalem, etâbatêla esangweni lakwa-Efrayim, wesa esangweni lembômbô ikubite ezimakûlu mane.

24 *Wayitâbatâ* yonke i-golide, ne-silvere, nempahla yonke eyafumanekayo endlwini ka-Tixo ebiro-Obedi-edom, nobuncwane bendlu yokumkani, nabafo abazizibambiso, wabuyela kwa-Samari.

25 U-Amatsiya unyana ka-Yowashe, u-

Digitized by Google

kumkani wakwa-Yuda; emva kokufa kuka-Yowashe unyana ka-Yehowahazi, ukumkani wakwa-Sirayeli, waba minyaka ilishumi linesihlanu esidla ubomi.

26 Ezinye izinto zika-Amatsiya, ezokuqala nezokugqibela, asizezo-na zibaliweyo encwadini yokumkani bakwa-Yuda nabakwa-Sirayeli?

27 Kekaloku emveni kwexesha, awatyeka ngalo u-Amatsiya ekumlandeleni u-Yehova, bamceba e-Yerusalem; wasabela e-Lakishe. Bamsukela bamfumana e-Lakishe, bambulalela kona.

28 Bamtwala ngamahashe, bamncwabela koyise; emzini wakwa-Yuda.

26 Bonke abantu bakwa-Yuda bamtabata u-Uziya, akubon'ukuba uminyaka ilishumi linamitandatu ezelwe, bamenza ukumkani esikundleni sika-Amatsiya uyise.

2 Yakiwa nguye i-Eloti, wayibuyisela kuma-Yuda, emva kokulala kokumkani koyise.

3 U-Uziya ube minyaka ilishumi elinamitandatu ezelwe, ukuba ngukumkani kwake; waba neminyaka emashumi mahlanu anamibini engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Yekoliya wase-Yerusalem.

4 Wenza okute-tye emehlweni ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Amatsiya uyise.

5 Wamfuna u-Tixo ngemihla ka-Zekariya, owamfundisayo ukumoyika u-Tixo; ngemihla yokumfuna kwake u-Yehova, u-Tixo wamenza wanemputelelo.

6 Wapuma walwa nama-Filisti, waluqeteza udonga lwase-Gati, nodonga lwase-Yabene, nodonga lwase-Ashdode, waka imizi kummandla wase-Ashdode napakati kwama-Filisti.

7 U-Tixo wamnceda kuma-Filisti, nakuma-Arabi ahleli e-Gur-bahali, nakuma-Mahan.

8 Ama-Amon amnika u-Uziya umnikelo; igama lake laduma lada laya kufika ekungeneni kwe-Yiputa; ngokuba womelela wada wenyuka.

9 U-Uziya waka inqaba ezinde e-Yerusalem, esangweni lembombo, nasesangweni lomfula, nasembombeni yodonga, wazinqabisa-ke.

10 Waka inqaba ezinde entlango, wemba amaqula amaninzi; ngokuba imfuyo yake yabi ninzi kwelentili nakwelamatafa. Ube nabalimi bomhlaba nabezi-diliya ezintabeni nase-Karmele; ngokuba wayetanda ukulima umhlaba.

11 U-Uziya ube nempi elwayo, epuma umkosi ngamaqela, ngenani lokubalwa kwabo ngesandla sika-Yehuweli umbali no-Mahaseya umpati, pantsi kolaulo luka-Hananiya ongomnye wakubateteli bokumkani.

12 Lonke inani lentloko zezindlu zoyise, lamagosa anoburoti lalingamawaka amabini anamakulu matandatu.

13 Ngapantsi kwabo impi epuma umkosi; yayingamakulu amatatu amawaka, anamawaka asixenxe, anamakulu mahlanu alwayo, anamandla oburoti ukumnceda ukumkani elutshabeni.

14 U-Uziya wawalungisela emkosini wonke, ingweletshetshe, nezikali, nezigcinantloko, nengubo zentsimbi, nezapeta, namatye okusaula.

15 Wenza e-Yerusalem o-mashin abenziwe ngobuqili bencibi bokuba pezu kwenqaba ezinde napezu koqoqo, ukuba kutolwe ngentolo, kusaulwe ngamatye amakulu. Laduma igama lake, lada laya kude; ngokuba wancedwa ngokubalulekileyo, wada womelela.

16 Ute-ke akomelela, yapakama intliziyo yake, wada wenza ububi; ngokuba wenza ubumenemene ku-Yehova u-Tixo wake, wangena e-tempileni ka-Yehova, ukuba aqumisele esibingelelweni sesiqumiso.

17 U-Azariya umenzeleleli wamlandela, enabenzeleleli baka-Yehova abangamashumi asibozo, amadoda anoburoti.

18 Bammela u-Uziya ukumkani, bati kuye, Asikokwako, Uziya, ukuqumisela ku-Yehova, kokwabenzeleleli, onyana baka-Aron abangcwaliselwa ukuqumisela; puma engcweleni, ngokuba wenza ubumenemene; akuluzuko kuwe oko pambi ko-Yehova u-Tixo.

19 Wajala u-Uziya; epete ngesandla isiqumiso sokuqumisela. Ute esabajalele abenzeleleli, suka kwapuma iqenqa ebunzi lake pambi kwabenzeleleli endlwini ka-Yehova, engasesibingelelweni sokuqumisela.

20 U-Azariya umenzeleleli omkulu nabenzeleleli bonke babeka kuye, nanko eneqenqa ebunzi, bamgxota ngobunxamo kona, wanxama naye ukupuma; ngokuba u-Yehova ubembetile.

Digitized by Google

21 Waye u-Uziya ukumkani eneqênqa kwada kwayimini yokufa kwakê; wahlala endlwini eyodwa, eneqênqa; ngokuba wanqanyulwa endlwini ka-Yehova. U-Yotam unyana wakê wayipâtâ indlu yokumkani, ebalaula abantu belizwe.

22 Ezinye izinto zika-Uziya, ezokuqala nezokugqibela, wazibâla u-Yesaya unyana ka-Amotsi, um-profeti.

23 U-Uziya walala koyise; bamncŵaba ngakoyise emhlabeni wokuncŵaba wokumkani; ngokuba batî, Uneqênqa. U-Yotam unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

27 U-Yotam ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamitândatû engukumkani e-Yerusalem; igama lonina lalingu-Yerusha intombî ka-Tsadoki.

2 Wenza okutê-tye emehlwini ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Uziya uyise; kodwa akangenanga e-tempileni ka-Yehova; ke abantu bebesabenza ububi.

3 Yena walakâ isango elipêzulu lendlu ka-Yehova; wakâ kakûlu naseludongeni lwase-Ofele.

4 Wakâ imizi kwelentaba lakwa-Yuda, nasemahlatîni wakâ inqaba nembôniselo.

5 Walwa nonyana baka-Amon, wabeyisa. Onyana baka-Amon bamnika ngalonyaka ikûlu le-talente ze-silvere, neshumi lamawaka e-kore zenqôlowa, neshumi lamawaka e-fasi. Oko bapînda bakuzisa kuye onyana baka-Amon ngonyaka wesibini, nangowesitâtû.

6 Womelela-ke u-Yotam; ngokuba waziqinisela indlela zakê pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wakê.

7 Ezinye izinto zika-Yotam, nemfazwe zakê zonke, nendlela zakê, nanzo zibâliwe encwadini yokumkani bakwa-Sirayeli nabakwa-Yuda.

8 Ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamitândatû engukumkani e-Yerusalem.

9 U-Yotam walala koyise; bamncŵabela emzini ka-Davide; u-Ahazi unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

28 U-Ahazi ube minyaka imashumi mabini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamitândatû engukumkani e-Yerusalem. Akakwenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova njengo-Davide uyise;

2 Wahambâ ngendlela zokumkani bakwa-Sirayeli, kananjalo wabenzela o-Bahali imifanekiso etŷidiweyo.

3 Waqûmisela yena emfuleni wase-Benhinom, wabatshisa onyana bakê ngomlilo, ngokwamasikizi entlanga awazigqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

4 Wabingelela, waqûmisela ezigângeni, nasezindulini, napântsi kwemitî yonke eluhlaza.

5 U-Yehova u-Tîxo wakê wamnikela esandleni sokumkani wama-Aram; ameyisa, atîmbâ kuye into eninzi yabatînjwa, abasa e-Damasko. Kananjalo wanikelwa esandleni sokumkani wakwa-Sirayeli *u-Peka;* wabulala kwimpi yakê kakûlu.

6 U-Peka unyana ka-Remaliya wabulala kuma-Yuda ikûlu elinamanci amabini amawaka ngamini nye; bonke bengamadoda anoburoti; ngokushiya kwabo u-Yehova, u-Tîxo woyise.

7 U-Zikri, igofa lakwa-Efrayim, wabulala u-Mahaseya unyana wokumkani, no-Azerikam ingânga yendlu yakê, no-Elikana onganeno kokumkani.

8 Onyana baka-Sirayeli batîmbâ kubazalwana babo amakûlu amabini amawaka: abafazi, nonyana, nentombî; kananjalo babapânga amaxôba amaninzi, bawazisa amaxôba lawo kwa-Samari.

9 Apô-ke bekukô um-profeti ka-Yehova, ogama lingu-Odede; wapûma waya kukâulela umkôsi owawusiza kwa-Samari, watî kubo, Yabonani, ngenxa yobushushu buka-Yehova, u-Tîxo woyihlo, obukuma-Yuda, uwanikele ezandleni zenu; nibabulele-ke ngomsindo ode waya kufikelela ezulwini.

10 Kaloku-ke onyana bakwa-Yuda ne-Yerusalem, nitê nina niya kubanyatêla babe ngamakôboka namakôbokazana kuni. Kodwa nina, aninatyala-na ku-Yehova u-Tîxo wenu?

11 Ndipûlapûleni ngoko, nibabuyise abatînjwa, enabatîmbâ kubazalwana benu; ngokuba ukuvutâ komsindo kuka-Yehova kupêzu kwenu.

12 Kwesuka-ke amadoda akwintloko zonyana baka-Efrayim: o-Azariya unyana ka-Yohanan, no-Berekiya unyana ka-Meshilemoti, no-Hezekiya unyana ka-Sha-

Digitized by Google

lum, no-Amasa unyana ka-Hadelayi, ema pâmbî kwabavela emkôsini,

13 Atî kubo, Ningabazisi apâ abatînjwa; ukuze sibe netyala ku-Yehova, nifuna ukongeza esonweni setû nasetyaleni letû; ngokuba inene likûlu ityala letû, nokuvutâ komsindo kupêzu kwama-Sirayeli.

14 Abaxôbileyo babashiya-ke abatînjwa namaxôba pâmbî kwabatêtêli nebandla lonke.

15 Asuka-ke amadoda akânkanywe ngamagama, abatâbatâ abatînjwa, abambâtîsa bonke ababe-zé pâkatî kwabo ngamaxôba, abambâtîsa, abanxiba imbâdada, abadlisa, abaseza, abatâmbîsa, abatûndeza ngama-esile bonke abatyâfileyo, abasa e-Yeriko, kumzi wamasundu, kubazalwana babo; wona abuya aya kwa-Samari.

16 Ngeloxesha ukumkani u-Ahazi watûmela-ke kokumkani bakwa-Asuri ukuba baze kumnceda.

17 Ngapêzu koko eza ama-Edom, abulala ama-Yuda, atîmbâ abatînjwa.

18 Nama-Filisti ayingenela imizi yasezintilini, neyase-Zantsi yakwa-Yuda, ayitîmbâ i-Bete-shemeshe, ne-Ayalon, ne-Gederoti, ne-Soko namagxamesi ayo, ne-Timna namagxamesi ayo, ne-Gimzo namagxamesi ayo, ahlala kôna.

19 Ngokuba u-Yehova wawatôba ama-Yuda ngenxa ka-Ahazi ukumkani wakwa-Sirayeli; ngokuba wenza inyala kwa-Yuda, wenza ubumenemene ku-Yehova.

20 U-Tilegati-pilenezere ukumkani wakwa-Asuri wamfikela, wambandezela, akamomeleza;

21 Ngokuba u-Ahazi wayeyipângile indlu ka-Yehova, nendlu yokumkani nabatêtêli, wanika ukumkani wakwa-Asuri; akwamnceda nto noko.

22 Ngexesha lokubandezelwa kwakê wapinda wenza ubumenemene ku-Yehova, yena ukumkani u-Ahazi.

23 Wabingelela kwizitîxo zase-Damasko ezazimeyisile, watî, Izitîxo zokumkani bama-Aram ezawancedayo, ndobingelela kuzo, zondinceda nam. Ke zona zaba sikûbekiso kuye nakuma-Sirayeli onke.

24 U-Ahazi wazihlanganisa impahla zendlu ka-Tîxo, wazinqunqa impahla zendlu ka-Tîxo, wazivala ingcango zendlu ka-Yehova, wazenzela izibingelelo ezimbômbêni zonke zase-Yerusalem,

25 Wenza izigânga emizini yonke nganinye yakwa-Yuda zokuqûmisela tîxweni bambî, wamqumbîsa u-Yehova u-Tîxo woyise.

26 Ezinye izinto zakê, nendlela zakê zonke ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibâliwe encwadini yokumkani bakwa-Yuda nabakwa-Sirayeli.

27 U-Ahazi walala koyise, bamncwabela kuwo umzi oyi-Yerusalem; ke abamzisanga emancwabeni okumkani bakwa-Sirayeli. U-Hezekiya unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

29 U-Hezekiya waba ngukumkani, eminyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe; waba neminyaka emashumi mabini anesitôba engukumkani e-Yerusalem; igama lonina lalingu-Abiya intombî ka-Zekariya.

2 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Davide uyise.

3 Yena, ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakê, ngenyanga yokuqala, wazivula ingcango zendlu ka-Yehova, wazilungisa.

4 Wabangenisa abenzeleleli naba-Levi, wabahlanganisela ebaleni langasempumalanga,

5 Watî kubo, Ndipûlapûleni, ba-Levi; zingcwaliseni kaloku, yingcwaliseni indlu ka-Yehova, u-Tîxo woyihlo, nikukûpe ukuncôla okusendaweni engcwele.

6 Ngokuba obawo benza ubumenemene, benza okubi emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wetû, bamshiya, babusonga ubuso babo emnqubeni ka-Yehova, bawunikela ikôsi;

7 Kananjalo bazivala ingcango ze-varanda, bazicima izibane, abaqûmisela ngesiqûmiso, abawanyusa amadini anyukayo engcweleni ku-Tîxo ka-Sirayeli.

8 Ngoko-ke afikelwa ama-Yuda ne-Yerusalem bufalafume buka-Yehova, wawanikela aba yinto yokufeketâ, neyokumangalisa, neyomsondlo, njengoko nikubonayo ngamehlo enu.

9 Yabona, bawile obawo ngeêele; onyana betû nentombi zetû nabafazi betû basekutînjweni ngenxa yoko.

10 Ngoku-ke kusentliziyweni yam ukumenzela umnqopîso u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli, kubuye kutî ukuvutâ komsindo wakê.

11 Bonyana bam, kungoku-nje musan' ukuhiliza; ngokuba u-Yehova uninyule,

Digitized by Google

ukuze nime pâmbî kwakê nilungiselele kuye, nibe ngabalungiseleli nabaqûmiseli kuye.

12 Basuka-ke aba-Levi: o-Mahati unyana ka-Amashayi, no-Yoweli unyana ka-Azariya, konyana bama-Kohati; nakonyana baka-Merari: u-Kishe unyana ka-Abedi, no-Azariya unyana ka-Yehaleleli; nakuma-Gershon: u-Yowa unyana ka-Zima, no-Eden unyana ka-Yowa;
13 Konyana baka-Elitsafan: u-Shimri no-Yehiyeli; nakonyana baka-Asafu: u-Zekariya no-Mataniya;
14 Nakonyana baka-Heman: u-Yehiyeli no-Shimehi; konyana baka-Yedutun: u-Shemaya no-Uziyeli.
15 Babahlanganisa-ke abazalwana babo, bazingcwalisa, bangena ngokomtêtô wokumkani ngamazwi ka-Yehova, ukuyihlambûlula indlu ka-Yehova.
16 Bangena ngapâkatî kwendlu ka-Tixo abenzeleleli, ukuze bayihlambûlule; bayikûpa yonke into eyinqambî abayifumanayo e-tempileni ka-Yehova, bayisa entendelezweni yendlu ka-Yehova. Aba-Levi bayitâbatâ, ukuze bayikûpele pândle bayise emlanjaneni oyi-Kidron.
17 Baqala ukungcwalisa ngomhla wokuqala, ngenyanga yokuqala; ngomhla wesibôzo wenyanga-leyo bafika e-varandeni ka-Yehova; bayingcwalisa-ke indlu ka-Yehova imihla esibôzo, bagqiba ngomhla weshumi elinesitândatû wenyanga yokuqala.
18 Bangena baya ku-Hezekiya ukumkani, batî, Siyihlambûlule indlu yonke ka-Yehova, nesibingelelo sedini elinyukayo, nempahla zaso zonke, ne-tafile yezonka ezicwangciswayo, nempahla zayo zonke,
19 Nempahla zonke awazilahlayo u-Ahazi ngexa lokulaula kwakê ngokwenza ubumenemene, sizilungisile sazingcwalisa; nanzo zipâmbî kwesibingelelo sika-Yehova.

20 Wavuka kusasa u-Hezekiya ukumkani, wabahlanganisa abatêtêli bawo umzi; wenyuka waya endlwini ka-Yehova.
21 Bazisa inkunzi ezintsha zenkomo zasixênxe, nenkunzi zegusha zasixênxe, nemvana zasixênxe, nenkunzi ze-bôkwe zasixênxe, ukuba zibe lidini lesono ngenxa yobukumkani, nangenxa yendawo engcwele, nangenxa yama-Yuda. Watî konyana baka-Aron abenzeleleli, mabenze amadini anyukayo esibingelelweni sika-Yehova.
22 Bazixêla inkomo, abenzeleleli balamkela igazi, balitshiza esibingelelweni; bazixêla inkunzi zegusha, balitshiza igazi esibingelelweni; bazixêla imvana, balitshiza igazi esibingelelweni.
23 Bazizisa inkunzi ze-bôkwe zedini lesono pâmbî kokumkani nebandla, bacinezela ngezandla zabo pêzu kwazo;
24 Bazixêla abenzeleleli, ukuba bawacamagushele ama-Sirayeli onke; ngokulenza nyulu igazi lazo esibingelelweni ngokuba ukumkani ebetê makenzelwe onke ama-Sirayeli idini elinyukayo nedini lesono.
25 Wabamisa aba-Levi endlwini ka-Yehova, benamacangci, benemifubê, benehadi, ngokomtêtô ka-Davide no-Gadi imbôni yokumkani, no-Natan um-profeti; ngokuba lomtêtô ubungoka-Yehova ngaba-profeti bakê.
26 Bema aba-Levi, benempahla ka-Davide, abenzeleleli benamaxilongo.
27 Watî u-Hezekiya, makunyuswe idini elinyukayo esibingelelweni. Litê lakuqalwa idini elinyukayo, yaqala ingoma ka-Yehova namaxilongo ngokokuhlabela kwempahla zika-Davide ukumkani wakwa-Sirayeli.
28 Lonke ibandla laqubuda, imvumi zivuma, abavutêli-maxilongo bevutêla; oko konke kwenziwa lada lagqitywa idini elinyukayo.
29 Kwakugqitywa ukunyuswa idini elinyukayo, ukumkani nabo bonke abafumaneka benaye, baguqa baqubuda.
30 Batî o-Hezekiya ukumkani nabatêtêli, mabamdumise u-Yehova aba-Levi ngamazwi ka-Davide no-Asafu imbôni. Bamdumisa-ke bada bavuya; batôba baqubuda.
31 Wapêndula u-Hezekiya, watî, Kungoku-nje nizingcwalisile ku-Yehova; yizani nizise imibingelelo neyombulelo endlwini ka-Yehova. Layizisa-ke ibandla imibingelelo neyombulelo; bonke ababeqûtywa yintliziyo, bazisa amadini anyukayo.
32 Inani lamadini anyukayo elawazisayo ibandla, lalingamashumi asixênxe enkomo, nekûlu lenkunzi zegusha, namakûlu amabini emvana. Ezo zonke zaba zezedini elinyukayo ku-Yehova.
33 Ezingcwalisiweyo inkomo, zaba nga-

Digitized by Google

makûlu amatândatû namawaka amatâtû empahl' emfutshane.

34 Kodwa abenzeleleli bebe mbalwa, ababi nakuwahlinza onke amadini anyukayo; bababambîsa-ke abazalwana babo aba-Levi, wada wagqitywa lomsebenzi, bada bazingcwalisa abenzeleleli; ngokuba aba-Levi bebetê-tye ngentliziyo ukuzingcwalisa kunabenzeleleli.

35 Kananjalo amadini anyukayo aba maninzi, enamanqatâ emibingelelo yoxolo, neminikelo etûlulwayo awo amadini anyukayo, yaqiniselwa-ke inkonzo yendlu ka-Yehova.

36 Ke u-Hezekiya nabantu bonke bakuyuyela oko, ukuba u-Tîxo akuqinisele abantu; ngokuba lento yenziwa ngesiqupê.

30 Watûmela u-Hezekiya kuwo onke ama-Sirayeli nama-Yuda; kananjalo wabâla incwadi eziya kuma-Efrayim nama-Manase, ukuba kuziwe endlwini ka-Yehova e-Yerusalem, kwenziwe i-pasika ku-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.

2 Ukumkani wacebisana nabatêtêli bakê nebandla lonke e-Yerusalem, ukuba kwenziwe i-pasika ngeyesibini inyanga.

3 Kuba bebenge nakuyenza ngexesha elililo; ngokuba abenzeleleli bebengazingcwalisanga ngokwaneleyo, nabantu bebengazihlanganiselanga e-Yerusalem.

4 Londawo yatî-tye emehlweni okumkani nasemehlweni ebandla lonke.

5 Bamisa indawo yokuba lihanjiswe izwi kuma-Sirayeli onke, kutâtyatêlwe e-Bersheba,.kuse kwa-Dan, ukuba beze kwenza i-pasika ku-Yehova, u-Tîxo wama-Sirayeli, e-Yerusalem; ngokuba bebengayenzanga bebaninzi njengokokubâliweyo.

6 Zahambâ izigidimi zinencwadi ezivela ezandleni zokumkani nezabatêtêli bakê, zaya kuwo onke ama-Sirayeli nama-Yuda, zatî ngokomyalelo wokumkani, Nina bonyana baka-Sirayeli, buyelani ku-Yehova, u-Tîxo ka-Abraham no-Isake no-Sirayeli, abuyele kwabaseleyo kuni, abasindileyo esandleni sokumkani bakwa-Asuri.

7 Musan' ukuba njengoyihlo nanjengabazalwana benu, abenza ubumenemene ku-Yehova, u-Tîxo woyihlo, wabanikela bayinto yokumangalisa njengoko nibonayo.

8 Musan' ukuyenza lukûni ngoku intamo yenu njengoyihlo; mnikeni u-Yehova isandla, nize engcweleni yakê, abeyingcwalisile ngonapâkade, nimkônze u-Yehova u-Tîxo wenu, kubuye kuni ukuvutâ komsindo wakê.

9 Ngokuba ukuba nitê nabuyela ku-Yehova, abazalwana benu nonyana benu bofumana imfesane kwababatîmbileyo babuyele kwelilizwe; ngokuba unobabalo unemfesane u-Yehova u-Tîxo wenu; akayi kubufihla kuni ubuso bakê, ukuba nitê nabuyela kuye.

10 Izigidimi-ezo zatungela imizi ngemizi ezweni lakwa-Efrayim nelakwa-Manase, zesa kwelakwa-Zebulon; bazihleka, bazigculela.

11 Kodwa amadoda atile akwa-Ashere nawakwa-Manase nawakwa-Zebulon azitôba, eza e-Yerusalem.

12 Kananjalo isandla sika-Tîxo sabakô kwa-Yuda, ukuba abanike ntliziyo nye yokwenza umtêtô kakumkani nowabatêtêli ngokwelizwi lika-Yehova.

13 Kwahlangana e-Yerusalem abantu abaninzi, ukuze benze umtêndeleko wezonka ezinge nagwele ngenyanga yesibini; balibandla elikûlu kunene.

14 Besuka, bazisusa izibingelelo ebezise-Yerusalem, bazisusa zonke iziqûmiselo, bazipôsa emlanjaneni oyi-Kidron.

15 Bayixêla i-pasika ngolweshumi elinesine usuku lweyesibini inyanga. Abenzeleleli naba-Levi bazidanela, bazingcwalisa, bazisa amadini anyukayo endlwini ka-Yehova.

16 Bema-endaweni yabo ngokwesiko labo, ngokomyalelo ka-Moses umfo wakwa-Tîxo; abenzeleleli balitshiza igazi layo, belitâbatâ esandleni saba-Levi;

17 Ngokuba bebe baninzi ebandleni abebengazingcwalisanga. Aba-Levi bamela ukuxêla i-pasika ngenxa yabantu bonke abazinqambî, ukuba *imvana* zingcwaliselwe ku-Yehova;

18 Ngokuba ubuninzi babantu, abaninzi ababevele kwa-Efrayim nakwa-Manase, kwa-Isakare nakwa-Zebulon, babengazihlambûlulanga, bayidla i-pasika ngokungengamtêtô; kodwa u-Hezekiya wabatândazela, esiti, Wanga u-Yehova olungileyo angabaxolela.

19 Elowo uyibêkisê intliziyo yakê ekumfuneni u-Tîxo u-Yehova, u-Tîxo woyise, nakuba kunge ngokwentlambûlulo yendawo engcwele.

20 U-Yehova wamva u-Hezekiya, wabapîlisa abantu.

Digitized by Google

21 Onyana baka-Sirayeli abafunyanwayo e-Yerusalem bawenza-ke umtêndeleko wezonka ezinge nagwele imihla esixênxe, bevuya kakûlu, bedumisa u-Yehova imini ngemini aba-Levi nabenzeleleli ngempahla zokumzukisa u-Yehova.

22 U-Hezekiya watêtâ kakuhle nabo aba-Levi bonke, ababe nokuyiqonda kakuhle inkonzo ka Yehova. Badla-ke umtêndeleko imihla esixênxe, bebingelela imibingelelo yoxolo, bebulela ku-Yehova, u-Tîxo woyise.

23 Ibandla lonke lacebisana ukwenza nesinye isixênxe semihla; basenza-ke isixênxe semihla, bevuya.

24 Ngokuba u-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda walifumela ibandla iwaka lenkunzi ezintsha zenkomo, namawaka asixênxe empahl' emfutshane; nabatêtêli balifumela ibandla iwaka lenkunzi ezintsha zenkomo, namawaka alishumi empahl' emfutshane; bazingcwalisa abenzeleleli abaninzi.

25 Lavuya lonke ibandla lakwa-Yuda, nabenzeleleli naba-Levi, nebandla lonke elavela kwa-Sirayeli, nabasemzini abavela kwa-Sirayeli, kwa nabahleli kwa-Yuda.

26 Kwabakô uvuyo olukûlu-ke e-Yerusalem; ngokuba kususela kwimini zika-Solomon unyana ka-Davide, ukumkani wakwa-Sirayeli, akuzanga kubekô nto injalo e-Yerusalem.

27 Besuka bema abenzeleleli, aba-Levi, babasikelela abantu; izwi labo laviwa, nomtândazo wabo wangena ekâya lakê elingcwele ezulwini.

31 Kwakugqitywa konke oko, apûma onke ama-Sirayeli afumanekileyo kôna, aya emizini yakwa-Yuda, aziqêkeza izimiso zamatye, abagaula o-Ashera, azidiliza izigânga nezibingelelo kulo lonke elakwa-Yuda nelakwa-Benyamin, nelakwa-Efrayim nelakwa-Manase, kwada kwagqitywa. Babuya bonke onyana baka-Sirayeli, elowo waya elifeni lakê, emizini yakowabo.

2 U-Hezekiya wawamisa amaqela abenzeleleli nawaba-Levi ngokwamaqela abo, elowo ngokomsebenzi wakê, abenzeleleli naba-Levi; *wabamisela* amadini anyukayo nemibingelelo yoxolo, ukuba balungiselele, babulele, badumise emasangweni eminquba ka-Yehova.

3 Isabelo sokumkani sasempahleni yakê saba sesamadini anyukayo, amadini anyukayo akusasa kwa nawangokuhlwa, namadini anyukayo esabatâ, nawokutwasa kwenyanga, nawemitêndeleko ngoko kubâliweyo emyalelweni ka-Yehova.

4 *U-Hezekiya* watî kubantu, kubemi base-Yerusalem, mabanike isabelo sabenzeleleli naba-Levi, ukuze babambelele emyalelweni ka-Yehova.

5 Lakuvakala elozwi, onyana baka-Sirayeli bazisa into eninzi yeziqâmo zokuqala zenqôlowa, ne-wayini, ne-oli, nobusi, nolibo lonke lwamasimi bazisa kakûlu isishumi sezinto zonke.

6 Onyana baka-Sirayeli nabaka-Yuda, abahleliyo emizini yakwa-Yuda, nabo bazisa isishumi senkomo, nesempahl' emfutshane, nesishumi sezinto ezingcwele, ezibe zingcwaliselwe u-Yehova u-Tîxo wabo, bazibeka imfumbâ ngemfumbâ.

7 Baqala ngenyanga yesitâtû ukuzenza imfumbâ, bagqiba ngenyanga yesixênxe.

8 Beza o-Hezekiya nabatêtêli, bazibona imfumbâ-ezo, babulela ku-Yehova nakubantu bakê ama-Sirayeli.

9 Wababuza u-Hezekiya abenzeleleli naba-Levi ngemfumbâ ezo.

10 Wati u-Azariya umenzeleleli oyintloko, owendlu ka-Tsakodi, kuye, Kuseloko kwaqalwayo ukuziswa imifumo endlwini ka-Yehova, sidle sahlutâ, sashiya kakûlu; ngokuba u-Yehova ubasikelele abantu bake; lento ingaka yeseleyo.

11 Watî u-Hezekiya, makulungiswe ikambîli endlwini kaYehova; bazilungisake,

12 Bayingenisa-ke umfumo nezishumi nezinto ezingcwalisiweyo ngokukôlekileyo. Umpâtî wazo ibiyingânga u-Konaniya umLevi, no-Shimehi umninawa wakê obe ngowesibini;

13 No-Yehiyeli, no-Azaziya, no-Nahati, no-Asaheli, no-Yerimoti, no-Yozabadi, no-Eliyeli, no-Isemakiya, no-Mahati, no-Benaya bengabaveleli pântsi kwesandla sika-Konaniya no-Shimehi umninawa wakê, ngommiselo ka-Hezekiya ukumkani, no-Azariya ingânga yendlu ka-Tîxo.

14 U-Kore unyana ka-Imna, um-Levi, ongowesango lasempumalanga, ubemele iminikelo ka-Tîxo yabaqûtywa yintliziyo, ukuba awabe umfumo ka-Yehova nezinto eziyingcwele kanye.

15 Ngapântsi kwesandla sakê ibi ngu-Eden, no-Minyamin, no-Yeshuwa, no-

Digitized by Google

Shemaya, no-Amariya, no-Shekaniya, emizini yabenzelelili ngokunyanisa, ukuba babele abazalwana babo ngamaqela, abakûlu kwanjengabancinane;

16 Iyodwa into eyindoda ebâlwe emilibeni yokuzalwa, etâbatêle kominyaka mitâtû ezelwe kwenyusa, kubo bonke abangenayo endlwini ka-Yehova *ukwamkela* into yemini ngangemini yayo yomsebenzi wabo, ezigxineni zabo ngokwamaqela abo;

17 (Ukubâlwa kwabenzelelili emilibeni yokuzalwa bekungokwezindlu zoyise; naba-Levi babe sezigxineni zabo ngokwamaqela abo, batâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe kwenyusa;)

18 Ukuba babele intsatshana zabo zonke ezibâliweyo emilibeni yokuzalwa, abafazi babo, nonyana babo, nentombi zabo, kwibandla lonke; ngokuba ngokunyanisa kwabo bazingcwalisa-ke ngezinto ezingcwele;

19 Nangenxa yonyana baka-Aron abenzelelili, ababesemhlabeni wamadlelo emizi yabo, emizini ngemizi yonke, bekukô amadoda axeliweyo ngamagama, okuyabela izabelo into yonke eyindoda kubenzelelili, nabo bonke ababâliweyo emilibeni yokuzalwa kuba-Levi.

20 Wenje njalo u-Hezekiya kuma-Yuda onke; wenza okulungileyo nokutê-tye nokunyanisileyo pâmbi ko-Yehova u-Tixo wakê;

21 Nasemsebenzini nokuba nguwupi, awawuqalayo wenkonzo yendlu ka-Tixo, nomyalelo, nomtêtô, ukuba afune u-Tixo wakê, wawenza ngentliziyo yakê yonke, wapûmelela.

32 Emveni kwezizinto nokukunyanisa, weza u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, walingenela elakwa-Yuda, wangqinga imisi enqatyisiweyo; wati uyakuzigqobozela.

2 Wati u-Hezekiya, akubon' ukuba uyeza u-Saneribe, ubuso bakê ebubêkise ekulweni ne-Yerusalem,

3 Wacebisana nabatêtêli bakê namagoti akê, ukuba bawavale amanzi emitômbô engapândle komzi; bamnceda-ke.

4 Kwabutêlana abantu abaninzi, bawavala onke amaso emitômbô nomlanjana obuqukuqela pâkati kwelizwe, bati, Yinina ukuba okumkani bakwa-Asuri beze bafumane amanzi amaninzi?

5 Wazomeleza, walwakâ lonke udonga olwaludiliziwe, wenyusa inqaba ezinde pêzu kwalo, wakâ nolunye udonga ngapândle, wayiqinisela i-Milo yomzi ka-Davide, wenza izikâli nengweletshetshe ezininzi.

6 Wamisa abatêtêli bemfazwe pêzu kwabantu; wababutêla kuye endaweni yembûtô yasesangweni lomzi, watêtâ kakuhle nabo, wati,

7 Yomelelani nikâlipe; musan' ukoyika; musan' ukuqipûk' umbilini ngukumkani wakwa-Asuri, nayingxokolo yonke anayo; ngokuba baninzi abangakuti pêzu kwabangakuye.

8 Okunaye yingalo yenyama, okunati ngu-Yehova u-Tixo wetû, ukuba asincede, alwe amadabi etû. Abantu bayama emazwini ka-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda.

9 Emveni koko u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri watûmela e-Yerusalem abakonzi bakê, (yena engase-Lakishe, enabalauli bakê bonke,) ku-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, nakuma-Yuda onke ase-Yerusalem, esiti,

10 Utsho u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, ukuti, Nikôlose nganto-nina, nihleli-nje ekungqingweni e-Yerusalem?

11 Akanilahlekisi u-Hezekiya yinina, ukuba aninikele ekufeni ngendlala nangokunxanwa, ngokuti oku, U-Yehova u-Tixo wenu wonihlangula esandleni sokumkani wakwa-Asuri?

12 Asingu-Hezekiya-na lo uzisusileyo izigânga zakê nezibingelelo zakê, wati kuma-Yuda nakwi-Yerusalem, Qubudani pâmbi kwasibingelelo sinye, niqûmisele pêzu kwaso?

13 Aniyazi-na into endiyenzayo mna nobawo ezizweni zonke zamazwe la? Babanakô nokubanakô-na otixo bentlanga zamazwe-la ukuwahlangula amazwe azo esandleni sam?

14 Nguwupina kotixo bonke bezontlanga, bazisingela pântsi obawo, owaba nakô ukubahlangula abantu bakê esandleni sam, ukuba abe nakô u-Tixo wenu ukunihlangula esandleni sam?

15 Kengoko makanganilukuhli u-Hezekiya, makanganikôhlisi ngokunjalo. Musan' ukukôlwa nguye; ngokuba akubangakô namnye utixo wazo zonke intlanga nezikumkani, owaba nakô ukuhlangula abantu bakê esandleni sam nasesandleni sobawo,

Digitized by Google

wobeka pina-ke yena u-Tixo wenu? Akayi kunihlangula esandleni sam.

16 Babuya batêtâ abakônzi bakê ngo-Yehova u-Tixo, nango-Hezekiya umkônzi wakê.

17 Wabâla incwadi yokumngcikiva u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, etêtâ ngaye, esiti, Njengokuba otixo bentlanga zamazwe bengabahlangulanga abantu babo esandleni sam, ngokunjalo akayi kubahlangula no-Tixo ka-Hezekiya abantu bakê esandleni sam.

18 Bamemeza ngezwi elikûlu ngesi-Yuda ebantwini base-Yerusalem ababeseludongeni, beboyikisa bebapêlisa amandla, ukuze bawutîmbê lomzi.

19 Batêtâ ngo-Tixo we-Yerusalem njengotixo bezizwe zomhlaba, umsebenzi wezandla zabantu.

20 Batândaza-ke u-Hezekiya ukumkani, no-Yesaya unyana ka-Amotsi um-profeti, ngenxa yoko; bakâla basingisa ezulwini.

21 U-Yehova watûma isitûnywa sezulu, sawenza ati-shwaka onke amagofa anoburoti, nengânga nabatêtêli emkôsini wokumkani wakwa-Asuri. Wabuya, bakê butê-kûnubembê ubuso, waya ezweni lakê. Wangena endlwini yotîxo wakê; batî, ababepûme ezibilinini zakê bamwisa kôna ngerele.

22 U-Yehova wamsindisa-ke u-Hezekiya nabemi base-Yerusalem esandleni sika-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, nasesandleni sabangabambî; wabakûsela ngenxa zonke.

23 Baba baninzi abazisa umnikelo ku-Yehova e-Yerusalem, nezinto ezinqabileyo ku-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda. Wapâkanyiswa emehlweni entlanga zonke emveni koko.

24 Ngezomini wayesifa u-Hezekiya, weza kufa; watândaza ku-Yehova; watêtâ naye, wamnika umqondiso.

25 Ke u-Hezekiya akabuyekezanga njengokupâtwa kwakê; ngokuba intliziyo yakê yapâkama. Bafikelwa burâlafume yena nama-Yuda ne-Yerusalem.

26 Wazitôba u-Hezekiya ekupâkameni kwentliziyo yakê, yena nabemi base-Yerusalem; ababafikela ngemihla ka-Hezekiya ubufalafume buka-Yehova.

27 U-Hezekiya ube nobutyebi nozuko olukûlu kunene, wazenzela indlu zobuncwane be-silvere, nobe-golide, nobamatye anqabileyo, nobobulawu, nobengweletshetshe, nobempahla zonke ezinqwenelekayo,

28 Novimbâ bendyebo yenqôlowa, neyewayini, neye-oli, nezi-tali, zentlobo zonke zenkomo, nezibaya zemihlambî.

29 Wazenzela imizi yabalûsi bemfuyo yempahl' emfutshane, neyenkomo ezininzi; ngokuba u-Tixo ubemnike impahla eninzi kunene.

30 U-Hezekiya-lo walivala itênde elipêzulu lamanzi ase-Gihon, wawahambîsa ngapântsi, esinga ngasentshonalanga komzi ka-Davide. U-Hezekiya wapûmelela emsebenzini wakê wonke.

31 Ngoko-ke akubakô amakûmsha, abatêtêli base-Babeli, abebetûnyiwe kuye, bebuzisa ngesimanga esabakô ezweni *lakê*, u-Tixo wamshiya, ukuba amlinge, akwazi konke okusentliziyweni yakê.

32 Ezinye izinto zika-Hezekiya nokwenza kwakê ngenceba, nanko kubâliwe embonweni ka-Yesaya unyana ka-Amotsi, um-profeti, encwadini yokumkani bakwa-Yuda nabakwa-Sirayeli.

33 U-Hezekiya walala koyise; bamncwabela endulini yamancwaba onyana baka-Davide. Amzukisa ekufeni kwakê ama-Yuda nabemi base-Yerusalem. U-Manase unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

33 U-Manase ube minyaka ilishumi linamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwake; waba neminyaka emashumi mahlanu anamihlanu engukumkani e-Yerusalem.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, ngokwamasikizi entlanga awazigqogqayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

3 Wabuya wazakâ izigânga, awazidilizayo u-Hezekiya uyise; wabamisela o-Bahali izibingelelo, wenza o-Ashera, waqubuda kumkôsi wonke wezulu, wawukônza.

4 Wazakâ izibingelelo endlwini ka-Yehova, awatî u-Yehova, Kuse-Yerusalem apô liyakuba kôna igama lam ngonapâkade.

5 Wawakêla izibingelelo wonke umkôsi wezulu ezintendelezweni zombîni zendlu ka-Yehova.

6 Yena wabacandisa onyana bakê emlilweni, emfuleni wakwa-Ben-hinom, waba litola, wahlaba izihlabo, wakâfula, wamisa abaneshologu nosiyazi, wakwandisa ukwe-

Digitized by Google

nza okubi emehlweni ka-Yehova, ukuba amqumbîse.

7 Wawumisa umfanekiso oqingqiweyo abewenzile, endlwini ka-Tixo, awatî u-Tîxo ku-Davide naku-Solomon unyana wakê, Kuyo lendlu, nase-Yerusalem, endiyinyulileyo ezizweni zonke zakwa-Sirayeli, ndiya kulibeka kôna igama lam ngonapâkade,

8 Ndingapîndi ndilususe unyawo lwama-Sirayeli emhlabeni endawumisela oyihlo; kodwa mababe baya kugcina ukukwenza konke, endibawisele umtêtô ngako ngokomyalelo wonke nemimiselo namasiko ngesandla sika-Moses.

9 Ke u-Manase wawalahlekisa ama-Yuda nabemi base-Yerusalem, ukuba benze okubi ngapêzu kwentlanga awazitshabalalisayo u-Yehova pâmbî konyana baka-Sirayeli.

10 U-Yehova watêtâ ku-Manase nakubantu bakê; abapûlapûla.

11 U-Yehova wabafikisela abatêtêli bomkôsi bokumkani wakwa-Asuri; bambambâ u-Manase ngamakônco, bamkônxa ngamakâmandela obêdu, bamsa e-Babeli.

12 Ekubandezelweni kwakê wambongoza u-Yehova u-Tîxo wakê, wazitôba kakûlu pâmbî ko-Tîxo woyise.

13 Watândaza kuye; watândazeka yena nguye, wakuva ukutafuzisa kwakê, wambuyisela e-Yerusalem ebukumkanini bakê. Wazi-ke u-Manase ukuba u-Yehova nguye ongu-Tîxo.

14 Emveni koko waka udonga olungapândle lomzi ka-Davide ngasentshonalanga, lwaya e-Gihon esihlanjeni, lwaya ekungeneni ngesango lentlanzi, wayizunguleza i-Ofele, walupâkamisa kakûlu; wamisa abatêtêli bempi emizini yonke enqatyisiweyo kwa-Yuda.

15 Wabasusa otîxo bolunye uhlanga nemifanekiso endlwini ka-Yehova nezibingelelo zonke abezakê entabeni yendlu ka-Yehova, nase-Yerusalem, wazipôsa ngapândle komzi.

16 Waka isibingelelo sika-Yehova, wabingelela pêzu kwaso imibingelelo yoxolo neyombulelo; watî kuma-Yuda, makamkônze u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.

17 Abantu bebesabingelela noko ezigângeni; kodwa bebingelelela-ke ku-Yehova u-Tîxo wabo, yedwa.

18 Ezinye izinto zika-Manase, nomtândazo wakê ku-Tîxo, nokutêtâ kwembôni ebezitêtâ kuye ngegama lika-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, nanko zisemicimbîni yokumkani bakwa-Sirayeli.

19 Nomtândazo wakê, nokutândazeka kuka-Tîxo nguye, nezono zakê, nokumeneza kwakê, nendawo awakela kuzo izigânga, wamisa o-Ashera nemifanekiso eqingqiweyo engekazitôbi: nanzo zibâliwe emicimbîni ka-Hozayi.

20 U-Manase walala koyise, wancwatyelwa endlwini yakê; u-Amon unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

21 U-Amon ube minyaka imashumi mabini anamibini ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka emibini engukumkani e-Yerusalem.

22 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengoko wenza ngako u-Manase uyise. U-Amon wabingelela kwimifanekiso yonke eqingqiweyo awayenzayo u-Manase uyise, wayikônza.

23 Akazitôbanga pâmbî ko-Yehova, njengoko wazitôbayo u-Manase uyise; ke yena u-Amon walikûlis' ityala.

24 Abakônzi bakê bamceba, bambulala endlwini yakê.

25 Abantu belizwe bababulala bonke abacebi abo bokumkani u-Amon. Abantu belizwe bamenza ukumkani u-Yosiya unyana wakê esikûndleni sakê.

34 U-Yosiya ube minyaka isibôzo ezelwe, ukuba ngukumkani kwake; waba neminyaka emashumi matâtû anamnye engukumkani e-Yerusalem.

2 Wenza okutê-tye emehlweni ka-Yehova, wahambâ ngendlela zika-Davide uyise, akatyekela ngasekunene nangasekôhlo.

3 Ngonyaka wesibôzo wobukumkani bakê, esemncinane, waqala wamfuna u-Tîxo ka-Davide uyise, nangonyaka weshumi elinesibini waqala wawahlambûlula ama-Yuda ne-Yerusalem kwizigânga no-Ashera nemifanekiso eqingqiweyo netŷidiweyo.

4 Bazidiliza pâmbî kwakê izibingelelo zo-Bahali, nentsika zelanga ebezipêzu kwazo, wazigaula; o-Ashera nemifanekiso eqingqiweyo netŷidiweyo wayapûla, wayicola yalutûli, wayisasaza pêzu kwamancwaba abo babebingelele kuyo.

5 Wawatshisa amatâmbô abenzeleleli pêzu kwezibingelelo zabo; wawahlambûlulake ama-Yuda ne-Yerusalem.

Digitized by Google

6 Nasemizini yakwa-Manase neyakwa-Efrayim neyakwa-Simon, kwesa kweyakwa-Nefetali, emanxuweni azo ngenxa zonke,

7 Wazidiliza izibingelelo, wabaqôba o-Ashera nemifanekiso eqingqiweyo, wayicola yalutûli; wazigaula zonke intsika zelanga ezweni lonke lakwa-Sirayeli, wabuyela e-Yerusalem.

8 Ngonyaka weshumi elinesibôzo wobukumkani bakê, ekulihlambûluleni kwakê ilizwe-elo nendlu-leyo, watûma u-Shafan unyana ka-Atsaliya, no-Mahaseya umtêteli womzi, no-Yowa unyana ka-Yowahazi umkûmbûzi wezinto zakomkûlu, ukuba bayihlaziye indlu ka-Yehova u-Tixo wakê.

9 Beza ku-Hilekiya umenzeleli oyintloko, bayinikela imali ebizisiwe endlwini ka-Tixo, abayibutâyo aba-Levi abagcini-mnyango, eyabivele esandleni sama-Manase nama-Efrayim, nakumaqongqolo onke akwa-Sirayeli, nakuwo onke ama-Yuda nama-Benyamin; babuyela e-Yerusalem,

10 Bayinikela esandleni sabenzi bomsebenzi, ababepêtê indlu ka-Yehova; bayinikela kubenzi bomsebenzi, ababesebenza endlwini ka-Yehova, ukuba bayilungise bayihlaziye indlu-leyo;

11 Bayinikela-ke kwincîbi zemitî nakubakî, ukuba kutêngwe amatye axôliweyo nemitî yemiqadi yokuhlanganisa, neyopâhla lwezindlu, ababeziwisile okumkani bakwa-Yuda.

12 Amadoda-lawo ebesebenza kulomsebenzi enyanisekile; abapâtî bawo ngu-Yahati no-Obadiya, aba-Levi, bakonyana baka-Merari; no-Zekariya no-Meshulam, bakonyana baka-Kehati, abokongamela; naba-Levi, bonke abo baziqondayo impahla zokuvuma,

13 Babepêtê abatŵali bemitŵalo, bebongamele bonke abasebenzi bomsebenzi ngomsebenzi; abanye aba-Levi babe ngababâli namagosa nabamasango.

14 Ekuyikûpeni kwabo imali ebiziswe endlwini ka-Yehova, u-Hilekiya umenzeleleli wayifumana incwadi yomyalelo ka-Yehova, eyabâlwa ngesandla sika-Moses.

15 Wapêndula u-Hilekiya, watî ku-Shafan umbâli, Ndiyifumene incwadi-leyo yomyalelo endlwini ka-Yehova. U-Hilekiya wayinika u-Shafan lencwadi.

16 U-Shafan wayizisa incwadi kukumkani; kanjako wambuyisela ilizwi ukumkani, esitî, Konke obekunikelwe esandleni sabakônzi bakô, bayakwenza;

17 Bayikûpele imali eyafumanekayo endlwini ka-Yehova, bayinikela esandleni sabapâtî, nasesandleni sabenzi bomsebenzi.

18 U-Shafan umbâli waxela kukumkani, esitî, U-Hilekiya umenzeleleli undinike incwadi. Wayilesa u-Shafan pâmbî kokumkani.

19 Kwatî akuweva ukumkani amazwi omyalelo, wasuka wazirazula ingubo zakê.

20 Ukumkani wabawisela umtêtô o-Hilekiya, no-Ahikam unyana ka-Shafan, no-Abedon unyana ka-Mika, no-Shafan umbâli, no-Asaya umkônzi wokumkani, esitî,

21 Yiyani nibuzise ku-Yehova ngenxa yam, nangenxa yamasalela akwa-Sirayeli nakwa-Yuda, malunga namazwi alencwadi ifunyenweyo; ngokuba bukûlu ubushushu buka-Yehova, obupâlazelwe pêzu kwetu ngenx' enokuba obawo bengaligcinanga ilizwi lika-Yehova, ukuba benze njengoko konke kubâliweyo kulencwadi.

22 Waya-ke u-Hilekiya nabakwakumkani ku-Hulida um-profetikazi, umka-Shalum unyana ka-Tokeha, unyana ka-Hasera, umgcini-ngubo; waye yena ehleli e-Yerusalem kwesesibini isahlulo sayo, batêtâ kuye ngolohlobo:

23 Watî kubo, Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Notî kulondoda initûmileyo kum,

24 Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndiyizisela lendawo nabemi bayo ububi, zonke iziqalekiso ezibâliweyo encwadini, abayilesileyo pâmbî kokumkani wakwa-Yuda;

25 Ngetûba lokuba bandishiyayo, baqûmisela tîxweni bambî, ukuze bandiqumbise ngomsebenzi wonke wezandla zabo; ngoko bopâlazwa-ke ubushushu bam kulendawo, bungabi nakucinywa.

26 Ke kukumkani wakwa-Yuda, onitûme ukuba nibuzise ku-Yehova, notsho kuye ukutî, Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Okwalamazwi uwavileyo—;

27 Ngokokuba ibitâmbîle intliziyo yakô, wasuka wazitôba ebusweni buka-Tixo ekuweveni kwakô amazwi akê, malunga nalendawo nabemi bayo, wazitôba pâmbî kwam, wazirazula ingubo zakô, walila pâmbî kwam: nam ndikuvile, utsho u-Yehova.

28 Uyabona, ndiya kukuhlanganisela ko-

Digitized by Google

yihlo, uhlanganiselwe encẃabeni lakô unoxolo, angabuboni amehlo akô bonke ububi, endiyizisela bona lendawo nabemi bayo. Bambuyisela-ke ilizwi ukumkani.

29 Watûmela ukumkani; kwahlanganiswa onke amadoda amakûlu akwa-Yuda ne-Yerusalem.

30 Wenyuka ukumkani, waya endlwini ka-Yehova, namadoda onke akwa-Yuda nabemi base-Yerusalem, nabenzeleleli, naba-Levi, nabantu bonke, kwatâbatêla komkûlu, kwesa komncinane. Wawalesela ezindlebeni zabo onke amazwi encwadi yomnqopîso, eyafunyanwa endlwini ka-Yehova.

31 Wema ukumkani pêzu kwendawo yakê epâkamileyo, wenza umnqopîso pâmbî ko-Yehova wokulandela u-Yehova, nokugcina imitêtô yakê, nezinqînо zakê, nemimiselo yakê, ngentliziyo yakê yonke, nangompêfumlo wakê wonke, ukuba enze amazwi alomnqopîso abâliweyo kulencwadi.

32 Wabamisa kuwo bonke abafumanekayo e-Yerusalem nakwa-Benyamin. Abemi base-Yerusalem benza-ke ngokomnqopîso ka-Tîxo, u-Tîxo woyise.

33 U-Yosiya wawasusa onke amasikizi emazweni onke, angawonyana baka-Sirayeli, wabakônzisa bonke abafumanekayo kwa-Sirayeli, ukuba bakônze u-Yehova u-Tîxo wabo. Abatyekanga ekumlandeleni u-Yehova, u-Tîxo woyise yonke imihla yakê.

35 U-Yosiya wenza i-pasika ku-Yehova e-Yerusalem; bayixêla i-pasika ngosuku lweshumi elinesine lwenyanga yokuqala.

2 Wabamisa abenzeleleli pezu kwezigxina zabo, wabomelezela enkonzweni yabo yendlu ka-Yehova.

3 Watî kuba-Levi ababeqondisa onke ama-Sirayeli, ababengcwele ku-Yehova, Wubekeni umkômbê ongcwele endlwini, awayakâyo u-Solomon unyana ka-Davide, ukumkani wakwa-Sirayeli; aniyi kuwutẃala emagxeni. Mkônzeni kaloku u-Yehova u-Tîxo wenu, nabantu bakê ama-Sirayeli.

4 Zilungiseni ngokwezindlu zovihlo ngokwamaqela enu ngokwesibâlo sika-Davide ukumkani wakwa-Sirayeli, nangokwesibâlo sika-Solomon unyana wakê;

5 Nitî engcweleni nimele izahlulo zezindlu zoyise zabazalwana benu, onyana babantu, iqela eli laba-Levi limele indlu enye yoyise.

6 Niyixêle i-pasika, nizingcwalise, niyilungisele abazalwana benu, kwenziwe ngokwelizwi lika-Yehova ngesandla sika-Moses.

7 U-Yosiya wabafumela onyana babantu impahl' emfutshane, imvana namatakane e-bôkwe; onke lawo angawe-pasika kubo bonke abafunyanwayo kôna, engamawaka amashumi matâtû inani; namawaka amatâtû enkomo; konke oko kwapûma kwimfuyo yokumkani.

8 Abatêtêli bakê babafumela abantu nabenzeleleli naba-Levi iminikelo yabaqûtywa yintliziyo. U-Hilekiya no-Zekariya no-Yehiyeli, ingânga zendlu ka-Tîxo babanika abenzeleleli amawaka amabini anamakûlu matândatû amatakane engawe-pasika, namakûlu amatâtû enkomo.

9 U-Konaniya, no-Shemaya no-Nataniyeli abazalwana bakê, no-Hashabiya no-Yehiyeli no-Yozabadi, abatêtêli baba-Levi babafumela aba-Levi amawaka amahlanu amatakane engawe-pasika, namakûlu omahlanu enkomo.

10 Yalungiswa-ke inkonzo-leyo; bema abenzeleleli ezindaweni zabo; aba-Levi emaqeleni abo ngokomtêtô wokumkani.

11 Bayixêla i-pasika; abenzeleleli batâbatâ igazi ezandleni zabo, balitshiza, aba-Levi bahlinza.

12 Bakususa okwamadini anyukayo, ukuba kunikelwe kwizahlulo zezindlu zoyise zonyana babantu, kusondezwe ku-Yehova, njengoko kubâliweyo encwadini ka-Moses. Benje njalo nangenkomo.

13 Bayosa i-pasika ngomlilo ngokwesiko; into ezingcwalisiweyo bazipêka ngembîza, nangongxawu, nange-pani, bagidimisa konyana bonke babantu.

14 Emveni koko bazilungisela ngokwabo kwa nabenzeleleli; ngokuba abenzeleleli onyana baka-Aron bebenyusa amadini anyukayo namanqatâ kude sebusuku. Ke aba-Levi bazilungisela ngokwabo kwa nabenzeleleli onyana baka-Aron.

15 Imvumi onyana baka-Asafu bezisezindaweni zazo ngokomtêtô ka-Davide, no-Asafu, no-Heman, no-Yedutun imbôni kakumkani; nabamasango emasangweni ngamasango bebengesuki enkonzweni yabo; ngokuba abazalwana babo aba-Levi bebebalungisela.

Digitized by Google

16 Yalungiswa-ke yonke inkonzo ka-Yehova ngalomini yokwenza i-pasika nokunyusa amadini anyukayo esibingelelweni sika-Yehova, ngokomtêtô wokumkani u-Yosiya.

17 Onyana baka-Sirayeli ababekô bayenza i-pasika ngeloxesha, nomtêndeleko wezonka ezinge nagwele imihla esixênxe.

18 Bekungazanga kweziwe pasika ngokwaleyo kwa-Sirayeli, kususela kwimihla ka-Samuweli um-profeti. Okumkani bonke bakwa-Sirayeli abazanga benze pasika ngokwalo-pasika, wayenzayo u-Yosiya, nabenzeleleli, naba-Levi, nawo onke ama-Yuda nama-Sirayeli abe kôna, nabemi base-Yerusalem.

19 Kwaba ngonyaka weshumi elinesibôzo wobukumkani buka-Yosiya ukwenziwa kwalo-pasika.

20 Emveni kwako konke ukuyilungisa kuka-Yosiya indlu-leyo, kwenyuka u-Neko ukumkani wase-Yiputa, eza kulwa ne-Karkemishe ngase-Efrati; u-Yosiya wapûma, waya kulwa naye.

21 Watûma abatûnywa kuye, watî, Yinto-nina enam nawe, kumkani wakwa-Yuda? Andize kulwa nawe namhla; ndize endlwini endilwa nayo; u-Tîxo utê mandikâulezise; mkwêlele u-Tîxo onam, angakutshabalalisi.

22 Ke u-Yosiya akabusonganga ubuso bakê kuye; wazenza mntu wumbî, ukuba alwe naye; akawapûlapûla amazwi ka-Neko, apûma emlonyeni ka-Tîxo; weza kulwa esihlanjeni se-Megido.

23 Abatoli bamtola ukumkani u-Yosiya; watî ukumkani kubakônzi bakê, Ndishenxiseni; ngokuba ndinxwelerwe kakubi.

24 Abakônzi bakê bamtûla enqweleni, bamkwelisa kweyesibini inqwelo abe nayo, bamsa e-Yerusalem; wafa wancwatyelwa emancwabeni oyise. Onke ama-Yuda ne-Yerusalem amenzela isijwili u-Yosiya.

25 U-Yeremiya wamenzela isimbônono u-Yosiya; zatêtâ zonke imvumi nemvumikazi ezimbônonweni zazo ngo-Yosiya, unanamhla. Bazenza ummiselo kwa-Sirayeli; nanzo zibâliwe ezimbônonweni.

26 Ezinye izinto zika-Yosiya, nokwenza kwakê inceba, njengoko kubâlwe emyalelweni ka-Yehova:

27 Nezinto zakê ezokuqala nezokugqibela, nanzo zibâliwe encwadini yokumkani bakwa-Sirayeli nabakwa-Yuda.

36 Abantu belizwe batâbatâ u-Yehowahazi unyana ka-Yosiya, bamenza ukumkani esikûndleni sikayise e-Yerusalem.

2 U-Yehowahazi ube minyaka imashumi mabini anantatû ezelwe, ukuba ngukumkani kwake; waba nenyanga ezintatû engukumkani e-Yerusalem.

3 Ukumkani wase-Yiputa wamguzula e-Yerusalem, walihlaulisa ilizwe ikûlu letalente ze-silvere ne-talente ye-golide.

4 Ukumkani wase-Yiputa wamenza u-Eliyakim umkûluwa wakê ukuba abe ngukumkani kwa-Yuda ne-Yerusalem, waliguqula igama lakê langu-Yehoyakim. U-Neko wamtâbatâ u-Yehowahazi umninawa wakê, wamsa e-Yiputa.

5 U-Yehoyakim ube minyaka imashumi mabini anamihlanu ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani e-Yerusalem; wenza okubi emehlweni ka-Yehova u-Tîxo wakê.

6 Wenyuka u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, wameyisa, wamkônxa ngamakâmandela obêdu ukuba amse e-Babeli.

7 U-Nebukadenetsare wayisa inxenye yempahla yendlu ka-Yehova e-Babeli, wayibeka e-tempileni yakê e-Bâbêli.

8 Ezinye izinto zika-Yehoyakim, namasikizi akê awawenzayo, nokwafumanekayo kukuye, nanko kubâliwe encwadini yokumkani bakwa-Sirayeli nabakwa-Yuda. Waba ngukumkani u-Yehoyakin unyana wakê esikûndleni sakê.

9 U-Yehoyakin ube minyaba isibôzo ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba nenyanga ezintatû ezinentsuku ezilishumi engukumkani e-Yerusalem; wenza okubi pâmbî ko-Yehova.

10 Ekuveleni konyaka ukumkani u-Nebukadenetsare watûmela, wamzisa e-Babeli, kunye nempahla ezinqwenelekayo zendlu ka-Yehova; wenza u-Tsedekiya umninawa wakê ukuba abe ngukumkani kwa-Yuda nase-Yerusalem.

11 U-Tsedekiya ube minyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba nguku-

Digitized by Google

nkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani e-Yerusalem;

12 Wenza okubi pâmbî ko-Yehova u-Tixo wakê; akazitôba ebusweni buka-Yeremiya um-profeti, obetêtâ okwasemlonyeni ka-Yehova.

13 Kananjalo wagwilika kukumkani u-Nebukadenetsare, obemfungise u-Tixo, wangontamo ilukûni, wayenza ingqoshombâ intliziyo yakê, ukuze angabuyeli ku-Yehova, u-Tixo wakwa-Sirayeli.

14 Kananjalo bonke abatêtêli babenzeleleli nabantu bandisa ukwenza ubumenemene ngokwamasikizi onke entlanga; bayenza inqambî indlu ka-Yehova awayingcwalisayo e-Yerusalem.

15 U-Yehova, u-Tixo woyise, watûmela kubo ngabatûnywa bakê, wanyameka ukutûmela; ngokuba waye nemfesane ngabantu bakê nekâya lakê.

16 Baye bebagculela abatûnywa baka-Tixo, bewadela amazwi akê, bebagxeka aba-profeti bakê bada benyuka ubushushu buka-Yehova, beza kubantu bakê, kwada akwabikô mpilo.

17 Wabanyusela ukumkani wama-Kaledi; wawabulala amadodana abo ngetele endlwini yabo engcwele; akaconga ndodana nantombî, nandoda inkulu naxêgo; bonke wabanikela esandleni sakê.

18 Zonke impahla zendlu ka-Tixo, ezinkulu nezincinane, nobuncwane bendlu ka-Yehova, nobuncwane bokumkani nobabatêtêli bakê, zonke ezonto wazisa e-Babeli.

19 Bayitshisa indlu ka-Tixo, baludiliza udonga lwase-Yerusalem, bawatshisa ngomlilo onke amabôtwe ayo; bazitshabalalisa zonke impahla zayo ezinqwenelekayo.

20 Wabafudusela e-Babeli abasindileyo eteleni; baba ngabakônzi kuye nakonyana bakê, bada bangena ubukumkani bama-Persi;

21 Ukuba lizaliseke ilizwi lika-Yehova ngomlomo ka-Yeremiya, lide ilizwe lanele zi-sabatâ zalo; yonke imihla yokuba senkangala kwalo lapûmla, ukuba kuzaliswe iminyaka emashumi asixênxe.

22 Kekaloku ngowokuqala umnyaka ka-Koresi ukumkani wase-Persi, ukuze kuzaliseke ilizwi lika-Yehova ngomlomo ka-Yeremiya, u-Yehova wawuxôkonza umoya ka-Koresi ukumkani wase-Persi, wahambîsa izwi ebukumkanini bakê bonke, walibâla esitî;

23 Utsho u-Koresi ukumkani wase-Persi, ukutî, Zonke izikumkani zomhlaba uzinike mna u-Yehova, u-Tixo wezulu. Yena undiyalele ukuba ndimakêle indlu e-Yerusalem ekwa-Yuda. Ubani opâkatî kwenu ebantwini bakê bonke, u-Yehova u-Tixo wakê makabe naye, enyuke.

INCWADI KA-EZRA.

ISIQENDU I.

KEKALOKU ngowokuqala umnyaka ka-Koresi ukumkani wase-Persi, ukuze kuzaliseke ilizwi lika-Yehova ngomlomo ka-Yeremiya, u-Yehova wawuxôkonxa umoya ka-Koresi ukumkani wase-Persi; wahambisa izwi ebukumkanini bakê bonke, walibâla, esitî,

2 Utsho u-Koresi ukumkani wase-Persi, ukutî, Zonke izikumkani zomhlaba uzinike mna u-Yehova, u-Tixo wezulu. Yena undiyalele ukuba ndimakêle indlu e-Yerusalem, ekwa-Yuda.

3 Ubani opâkatî kwenu ebantwini bakê bonke, u-Tixo wakê makabe naye, anyuke, aye e-Yerusalem, ekwa-Yuda, ayakê indlu ka-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, (nguye u-Tixo,) ese-Yerusalem.

4 Onke amasalela, ezindaweni zonke apâmbûkele kuzo, makancedwe ngamadoda alendawo akuyo nge-silvere, ne-golide, nempahla, nenkomo, kunye nomnikelo wabaqûtywa yintliziyo wendlu ka-Tixo ese-Yerusalem.

5 Zesuka-ke intloko zezindlu zoyise zakwa-Yuda nezakwa-Benyamin, nezabenzeleleli,[1] nezaba-Levi, bonke abo u-Tixo wawuxôkonxayo umoya wabo, ukuba banyu-

[1] Ababingeleli kwi-Test. entsha okunye aba priste.

Digitized by Google

ke baye kuyakâ indlu ka-Yehova ese-Yerusalem.

6 Bonke abebebangqongile babancedisa ngezitya ze-silvere, nange-golide, nange-mpahla, nangenkomo, nangezinto ezinqabileyo; zizodwa zonke ebezinikwe ngabantu ngokuqûtywa yintliziyo.

7 Ke ukumkani u-Koresi wazifola i-mpahla zendlu ka-Yehova, awayezitâbatê e-Yerusalem u-Nebukadenetsare, wazibeka endlwini yotixo bakê.

8 U-Koresi ukumkani wase-Persi wazifola, wazinikela ku-Mitredati umgcini wobutyebi, wazibalela ku-Sheshbatsare isikûlu sakwa-Yuda.

9 Lilo eli inani lazo: izitya ze-golide zamashumi matâtû, izitya ze-silvere zaliwaka, inkambâ zamashumi mabini anesitôba,

10 I-bêkile ze-golide zamashumi matâtû, i-bêkile ze-silvere zohlobo lwesibini zamakûlu mane anashumi elinye, impahla ezizimbî zaliwaka.

11 Zonke impahla ze-golide neze-silvere zaba mawaka mahlanu, anamakûlu amane. Zonke ezonto wazinyusa u-Sheshbatsare, ekunyusweni kwababetînjelwe e-Babeli, kusiwa e-Yerusalem.

2 Ngabo-ke aba onyana belizwe lakwa-Yuda abenyukayo kwabababetînjwe basemfudukeni, awabafudusela e-Babeli u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ababuyela e-Yerusalem nakwa-Yuda, elowo wabuyela emzini wakowabo;

2 Abeza no-Zerubabeli ibingo-Yeshuwa, no-Nehemiya, no-Seraya, no-Rehelaya, no-Mordekayi, no-Bileshan, no-Mispare, no-Bigwayi, no-Rehum, no-Bahana. Inani lamadoda abantu bakwa-Sirayeli:

3 Onyana baka-Paroshe ibingamawaka amabini, anekûlu elinamanci asixénxe anababini.

4 Onyana baka-Shefatiya ibingamakûlu amatâtû, anamanci asixénxe anababini.

5 Onyana baka-Ara ibingamakûlu asixénxe, anamanci asixénxe anabahlanu.

6 Onyana baka-Pahati wakwa-Mowabi, konyana baka-Yeshuwa no-Yowabi, ibingamawaka amabini anamakûlu asibôzo, aneshumi elinye elinababini.

7 Onyana baka-Elam ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci mahlanu anabane.

8 Onyana baka-Zatu ibingamakûlu asitôba anamanci mane anabahlanu.

9 Onyana baka-Zakayi ibingamakûlu asixénxe, anamanci matândatû.

10 Onyana baka-Bani ibingamakûlu amatândatû, anamanci mane anababini.

11 Onyana baka-Bebayi ibingamakûlu amatândatû, anamanci mabini anabatâtû.

12 Onyana baka-Azegadi ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci mabini anababini.

13 Onyana baka-Adonikam ibingamakûlu amatândatû, anamanci matândatû anabatândatû.

14 Onyana baka-Bigwayi ibingamawaka amabini, anamanci mahlanu anabatândatû.

15 Onyana baka-Adin ibingamakûlu amane, anamanci mahlanu anabane.

16 Onyana baka-Atere ka-Hezekiya ibingamashumi asitôba anesibôzo.

17 Onyana baka-Betsayi ibingamakûlu amatâtû, anamanci mabini anabatâtû.

18 Onyana baka-Yora ibilikûlu, elineshumi elinababini.

19 Onyana baka-Hashum ibingamakûlu amabini, anamanci mabini anabatâtû.

20 Onyana base-Gibare ibingamashumi asitôba anabahlanu.

21 Onyana base-Betelehem ibilikûlu, elinamanci mabini anabatâtû.

22 Amadoda ase-Netofa ibingamashumi amahlanu anamatândatû.

23 Amadoda ase-Anatoti ibilikûlu, elinamanci mabini anesibôzo.

24 Onyana base-Azemavete ibingamashumi amane anababini.

25 Onyana base-Kiriyati-yeharim ne-Kefira ne-Beroti ibingamakûlu asixénxe, anamanci amane anabatâtû.

26 Onyana base-Rama ne-Gaba ibingamakûlu amatândatû, anamanci mabini anamnye.

27 Amadoda ase-Mikimase ibilikûlu, elinamanci mabini anamabini.

28 Amadoda ase-Beteli ne-Ayi ibingamakûlu amabini, anamanci mabini anamatâtû.

29 Onyana base-Nebo ibingamashumi amahlanu anababini.

30 Onyana baka-Magebishe ibilikûlu, elinamanci mahlanu anabatândatû.

31 Onyana bomnye u-Elam ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci amahlanu anabane.

32 Onyana baka-Harim ibingamakûlu amatâtû, anamanci mabini.

Digitized by Google

33 Onyana base-Lodi ne-Hadide ne-Ono ibingamakûlu asixênxe, anamanci mabini anabahlanu.

34 Onyana base-Yeriko ibingamakûlu amatâtû, anamanci mane anabahlanu.

35 Onyana base-Senaha ibingamawaka amatâtû anamakûlu amatândatû, anamanci matâtû.

36 Abenzeleleli: onyana baka-Yedaya bendlu ka-Yeshuwa ibingamakûlu asitôba, anamanci asixênxe anabatâtû.

37 Onyana baka-Imere ibiliwaka, elinamanci mahlanu anababini.

38 Onyana baka-Pashure ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci mane anesixênxe.

39 Onyana baka-Harim ibiliwaka, elineshumi elinesixênxe.

40 Aba-Levi onyana baka-Yeshuwa no-Kademiyeli, konyana baka-Hodaviya ibingamashumi asixênxe anabane.

41 Imvumi: onyana baka-Asafu ibilikûlu elinamanci mabini anesibôzo.

42 Onyana babamasango: onyana baka-Shalum, onyana baka-Atere, onyana baka-Talemon, onyana baka Akubi, onyana baka-Hatita, onyana baka-Shobayi, bebonke ibilikûlu elinamanci matâtû anesitôba.

43 Abakônzi be-tempile: onyana baka-Tsiha, onyana baka-Hasufa, onyana baka-Tabayoti,

44 Onyana baka-Kerose, onyana baka-Siyaha, onyana baka-Padon,

45 Onyana baka-Lebana, onyana baka-Hagaba, onyana baka-Akubi,

46 Onyana baka-Hagabi, onyana baka-Shalemayi, onyana baka-Hanan,

47 Onyana baka-Gidele, onyana baka-Gahare, onyana baka-Rehaya,

48 Onyana baka-Retsin, onyana baka-Nekoda, onyana baka-Gazam,

49 Onyana baka-Uza, onyana baka-Paseha, onyana baka-Besayi,

50 Onyana baka-Asna, onyana baka-Mehunim, onyana baka-Nefusim,

51 Onyana baka-Bakebuki, onyana baka-Hakufa, onyana baka-Harhure,

52 Onyana baka-Batseluti, onyana baka-Mehida, onyana baka-Harsha,

53 Onyana baka-Barkose, onyana baka-Sisera, onyana baka-Tama,

54 Onyana baka-Netsiha, onyana baka-Hatifa,

55 Onyana babakônzi baka-Solomon, onyana baka-Sotayi, onyana baka-Soferete, onyana baka-Peruda,

56 Onyana baka-Yahala, onyana baka-Darkon, onyana baka-Gidele,

57 Onyana baka-Shefatiya, onyana baka-Hatili, onyana baka-Pokerete-tsebayim, onyana baka-Ami,

58 Bonke abakônzi be-tempile, nonyana babakônzi baka-Solomon, ibingamakûlu amatâtû, anamanci asitôba anababini.

59 Ngabo abenyuka, bevela e-Telemela, nase-Tele-harsha, nase-Kerubi-adan-imere; ke ababanga nakuzixela indlu zoyise nembêwu yabo, ukuba ngabakwa-Sirayelina;

60 Onyana baka-Delaya, onyana baka-Tobiya, onyana baka-Nekoda, bebengamakûlu omatândatû anamanci mahlanu anababini.

61 Ke konyana babenzeleleli: onyana baka-Habaya, onyana baka-Hakotsi, onyana baka-Barzilayi owazeka umfazi ezintombini zika-Barzilayi wase-Giliyadi, wabizwa ngegama lazo.

62 Abo bakufuna ukubâlwa kwabo kwababâlelwa emilibeni yokuzalwa, abakufumana; bancôla-ke ababi sebenzelelelini.

63 I-fuluneli yatî kubo, mabangadli nto kwezingcwele kanye, kude kuvele umenzeleleli one-Urim ne-Tumim.

64 Lonke ibandla lindawo-nye ibingamawaka angamashumi amane anamabini, anamakûlu matâtû, anamanci matândatû;

65 Bebodwa abakônzi babo aba, nabakônzazana babo aba, bengamawaka asixênxe anamakûlu amatâtû, anamanci matâtû anesixênxe; benemvumi nemvumikazi ezingamakûlu amabini.

66 Amahashe abo ibingamakûlu asixênxe anamanci matâtû anamatândatû; ondlebende babo ibingamakûlu amabini, anamanci mane anabahlanu;

67 In-kamela zabo ibingamakûlu amane, anamanci matâtû anantlanu; ama-esile ibi ngamawaka amatândatû, anamakûlu asixênxe, anamanci mabini.

68 Inxenye yentloko zezindlu zoyise ekufikeni kwayo endlwini ka-Yehova ese-Yerusalem, yayizisela indlu ka-Tîxo iminikelo yokuqûtywa yintliziyo, ukuba imiswe endaweni yayo.

69 Banikela ngako konke abebe nako ebuncwaneni bomsebenzi: i-golide yangamawaka amashumi amatândatû anawaka linye e-darike, ne-silvere yangamawaka a-

Digitized by Google

mahlanu e-mina, nekûlu lengubo ezingapântsi zabenzeleleli.

70 Bahlala-ke abenzeleleli, naba-Levi, nabantu inxenye, nemvumi, nabamasango, nabakônzi be-tempile emizini yakowabo; ama-Sirayeli onke emizini yawo.

3 Itê yakufika inyanga yesixênxe, onyana baka-Sirayeli besemizini *yabo;* bahlangana abantu njengamntu mnye, beza e-Yerusalem.

2 Wesuka u-Yeshuwa unyana ka-Yotsadaki, nabazalwana bakê abenzeleleli, no-Zerubabeli unyana ka-Shelatiyeli, nabazalwana bakê, basakâ isibingelelo sika-Tîxo ka-Sirayeli, ukuba kunyuswe pêzu kwaso amadini anyukayo, ngoko kubâliweyo emyalelweni ka-Moses umfo wakwa-Tîxo.

3 Basizinzisa isibingelelo endaweni yaso; ngokuba beboyikiswe zizizwe zalamazwe. Banyusa pezu kwaso amadini anyukayo ku-Yehova, amadini anyukayo akusasa nawangokuhlwa.

4 Benza umtêndeleko weminquba ngoko kubâliweyo, namadini anyukayo imini ngemini ngenani, ngokwesiko, into yemini ngangemini yayo.

5 Emveni kwawo benza idini elinyukayo lamaxesha onke, nawokutwasa kwenyanga, nawamaxesha onke angewalisiweyo amisiweyo ka-Yehova, nawabo bonke abanikela ngokuqûtywa yintliziyo ku-Yehova iminikelo yokuqûtywa yintliziyo.

6 Baqala ngowokuqala umhla wenyanga yesixênxe, baqala banyusa amadini anyukayo ku-Yehova; i-tempile ka-Yehova ibingekasekwa.

7 Imali bayinika abaqingqi nabaroli; banika ama-Tsidon nama-Tire ukudla, nento eselwayo, ne-oli, ukuba atâbatê imi-sedare e-Lebanon, ayizise ngolwandle e-Yafo,[1] ngokuvunyelwa kwabo ngu-Koresi ukumkani wase-Persi.

8 Ngonyaka wesibini wokufika kwabo endlwini ka-Tîxo e-Yerusalem, ngenyanga yesibini, baqala o-Zerubabeli unyana ka-Shelatiyeli, no-Yeshuwa unyana ka-Tsadoki, nabanye abazalwana babo, abenzeleleli naba-Levi, nabo bonke ababepûme ekutînjweni ukuza e-Yerusalem, bamisa aba-Levi, betâbatêla kominyaka imashumi mabini ezelwe, kwenyusa, ukuba bawongamele umsebenzi wendlu ka-Yehova.

9 Kwema o-Yeshuwa nonyana bakê nabazalwana bakê, u-Kademiyeli nonyana bakê, onyana baka-Hodaviya, njengomnt' omnye, ukubongamela abawenzayo umsebenzi endlwini ka-Tîxo: onyana baka-Henadade, onyana babo nabazalwana babo, aba-Levi.

10 Abakî bayiseka i-tempile ka-Yehova; bema abenzeleleli bevetê, benamaxilongo; naba-Levi onyana baka-Asafu benamacangci ukumdumisa u-Yehova ngokolwalatîso luka-Davide ukumkani wakwa-Sirayeli.

11 Basusela ngokudumisa nangokubulela ku-Yehova, besiti, Ulungile, inceba yakê ingunapâkade ku-Sirayeli; ke bonke abantu baduma ngodumo olukûlu bedumisa u-Yehova ngenxa yokusekwa kwendlu ka-Yehova.

12 Ke isininzi kubenzeleleli naba-Levi nentloko zezindlu zoyise, namadoda amakûlu, awayeyibonile indlu yokuqala, satî ekusekweni kwalendlu emehlweni aso, salila ngezwi elikûlu; ke abaninzi baduma, bavuya ngokupâkamisa izwi.

13 Abantu ababi nakulahlula izwi lokuduma ngokuvuya kwizwi lokulila kwabantu; ngokuba abantu babeduma ngodumo olukûlu; izwi lavakala nakude.

4 Kekaloku bakuva ababandezeli bama-Yuda nabama-Benyamin, ukuba onyana basemfudukeni bamakêla i-tempile u-Yehova u-Tîxo wakwa-Sirayeli,

2 Beza ku-Zerubabeli nakwintloko zezindlu zoyise, batî kubo, Masakê nani; ngokuba sifuna u-Tîxo wenu njengani, sibingelela kuye kususela kwimihla ka-Esarhadon ukumkani wakwa-Asuri, owasinyusela apa.

3 Watî u-Zerubabeli, no-Yeshuwa, nabanye abazintloko zezindlu zoyise bakwa-Sirayeli kubo, Anitê-ni natî ekumakêleni u-Tîxo wetû indlu; somakêla sedwa u-Yehova, u-Tîxo wakwa-Sirayeli, njengoko wasiwisela umtêtô ngako ukumkani ongu-Koresi ukumkani wase-Persi.

4 Abantu belozwe bamana ukubapêlis' amandla abantu bakwa-Yuda, beboyikisa ekwakêni;

5 Bebaqeshela amagqwêtâ, ukuba alitshitshise iqînga labo yonke imihla ka-Koresi ukumkani wase-Persi, kwada kwezisa ebukumkanini buka-Dariyo ukumkani wase-Persi;

[1] I-Yopa kwi-Test. entsha.

Digitized by

6 Nasebukumkanini buka-Ahaswerose, ekuqalekeni kobukumkani bake, babâla bebanceteza abemi bakwa-Yuda nabase-Yerusalem.

7 Nangemihla ka-Artashashta kwabâla u-Bishlam, no-Mitredati, no-Tabeli, nabanye abalingane babo ku-Artashashta ukumkani wase-Persi; incwadi yabâlwa ngentetô yesi-Aram, yakûnyushwa ngesi-Aram.

8 O-Rehum umkûmbûzi wezinto zakomkûlu no-Shimshayi umbâli babâla incwadi nge-Yerusalem ku-Artashashta ukumkani, ngoluhlobo.

9 Batûmela-ke o-Rehum umkûmbûzi wezinto zakomkûlu, no-Shimshayi umbâli, nabanye abalingane babo bama-Dina, nabama-Afarsateki, nabama-Tarpela, nabama-Afarsi, nabama-Arki, nabama-Babeli, nabama-Shushanki, nabama-Dehavi, nabama-Elam,

10 Nezinye izizwe, awazitîmbâyo u-Osnapare omkûlu obekekileyo, wazibeka emzini wakwa-Samari, nakweminye nganeno komlambô, nakwezinye indawo.

11 Yiyo le incwadi abayitûmela ku-Artashashta ukumkani, itî, Abakônzi bakô, amadoda anganeno komlambô, njalo njalo,

12 Makwazeke kukumkani, ukuba ama-Yuda anyukileyo evela kuwe, afikile kutî e-Yerusalem, ayawakâ umzi ogwilikayo ongendawo, ayazimisa indonga zawo, ayazimbêla iziseko.

13 Makwazeke ngoku kukumkani, ukuba otî, xa utê wakîwa lomzi, zafezwa nendonga zawo, angafoli fafu, nasitâbatâba, namnikelo, ude uye kuxwâlekisa okumkani.

14 Kaloku, ngenx' enokuba sisidla ityuwa yasebôtwe, kwaye kungafanelekile kutî ukubona ukumkani encitshiswa; ngako oko siyatûmela, simazisa ukumkani,

15 Ukuze kupîcotwe encwadini yezikûmbûzo-ezo zoyihlo, wazi ukuba lomzi waba ngumzi ogwilikayo, owaxwâlekisa okumkani namazwe, kwenziwa isipêndu pâkatî kwawo kwakudala, waba linxuwa lomzi ngenxa yoko.

16 Siyamazisa ukumkani, ukuba xa utê wakîwa lomzi, zafezwa nendonga zawo, wotî ngenxa yelotûba angabi nasabelo yena nganeno komlambô.

17 Waza ukumkani wabatûmela impendulo o-Rehum umkûmbûzi wezinto zakomkûlu, no-Shimshayi umbâli, nabanye abalingane babo abahleli kwa-Samari, nabanye abanganeno komlambo, watî, Uxolo njalo njalo.

18 Loncwadi nayitûmelayo kutî ilesiwe ngokucacileyo pâmbî kwam.

19 Ndiwise umtêtô, kwapîcotwa, kwafunyanwa ukuba lomzi kwakudala uzipâkamisile kokumkani, kwenziwa ugwiliko nesipêndu pâkatî kwawo.

20 Kwabe kukô okumkani abanamandla e-Yerusalem, naba negunya kwilizwe lonke elipêsheya komlambô apô; kuntikelwa kubo i-fafu, nesitâbatâba, nomnikelo.

21 Wisani ngoko umtêtô wokuba abanjezelwe lomadoda, lomzi ungakîwa kude kuwiswe umtêtô ndim.

22 Lumkani, ningakê lento niyiyeke; kunganina ukuba kukûle ukonakala, baxwâleke okumkani?

23 Itê yakuleswa incwadi ka-Artashashta ukumkani pâmbî ko-Rehum, no-Shimshayi umbâli, nabalingane babo; basuka beza ngobunxâmo e-Yerusalem kuma-Yuda, bawanyanzela ngegunya nangamandla.

24 Waza wema umsebenzi wendlu ka-Tîxo ese-Yerusalem; wema kwada kwangunyaka wesibini wobukumkani buka-Dariyo ukumkani wase-Persi.

5 Kekaloku aba-profeti, o-Hagayi umprofeti, no-Zekariya unyana ka-Ido, baprofeta kuma-Yuda abe kwa-Yuda ne-Yerusalem, ngegama lika-Tîxo ka-Sirayeli obe kubo.

2 Baza basuka o-Zerubabeli unyana ka-Shelatiyeli, no-Yeshuwa unyana ka-Yotsadaki, nabatêtêli bakê, ukuba bayakê indlu ka-Tîxo e-Yerusalem, aba-profeti baka-Tîxo bekubo, bencedisana nabo.

3 Kwa ngeloxesha weza kubo u-Tatenayi, ibambâ langaneno komlambo, no-Shetar-bozenayi, nabalingane babo, bati kubo Niwiselwe umtêtô ngubanina ukuba niyakê lendlu, nilwenze oludonga?

4 Saza senje nje ukutêtâ kubo, ngonantsi nonantsi amagama amadoda ayakâyo endlu.

5 Ke iliso lika-Tîxo wawo belipêzu kwamadoda amakûlu ama-Yuda, ukuba bangawabambêzeli, ide londawo iye ku-Dariyo, bakûpê incwadi ngayo londawo.

6 Incwadi leyo, o-Tatenayi ibambâ langaneno komlambô, no-Shetar-bozenayi, nabalingane bakê bama-Afarseka banga-

Digitized by Google

neno komlambô bayitûmelayo ku-Dariyo ukumkani,

7 Bayitûmela londawo kuye, kwabâlwa kwatîwa kuyo: Ku-Dariyo ukumkani, uxolo lupêlele.

8 Makwazeke kukumkani, ukuba saya ezweni lakwa-Yuda, endlwini ka-Tîxo omkûlu; iyakîwa ngamatye anzima, nemitî iyafakwa ezindongeni; lomsebenzi usetyenzwa ngenyameko, uyapûmelela ezandleni zabo.

9 Saza sabuza kumadoda lawo makûlu, satî kuwo, Niwiselwe umtêtô ngubanina ukuba niyakê lendlu, nilwenze oludonga?

10 Sabuza kuwo namagama awo, ukuba sikwazise wena, siwabâle amagama amadoda azintloko kuwo.

11 Enje nje-ke ukusibuyisela impendulo, atî, Singabakê, singabakônzi baka-Tîxo wezulu nomhlaba, sakâ lendlu yakîwayo iminyaka emininzi eyadlulayo, yakîwa yafezwa ngukumkani omkûlu wakwa-Sirayeli.

12 Ngokokuba obawo bamqumbîsayo u-Tîxo wezulu, wabanikela esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, um-Kaledi; yena wayicîtâ lendlu, wabafudusela e-Babeli abantu.

13 Kodwa ngonyaka wokuqala ka-Koresi ukumkani wase-Babeli, ukumkani u-Koresi wawisa umtêtô wokuba yakîwe lendlu ka-Tîxo.

14 Kananjalo impahla zendlu ka-Tîxo ze-golide neze-silvere, awazifolayo u-Nebukadenetsare e-tempileni ese-Yerusalem, awazizisayo e-tempileni yese-Babeli, ezo wazikûpâ u-Koresi ukumkani e-tempileni yase-Babeli; zanikelwa kogama lingu-Sheshbatsare, awammisayo ukuba abe libambâ;

15 Watî kuye, Tâbatâ ezimpahla, hambâ uzise e-tempileni ese-Yerusalem, indlu ka-Tîxo yakêlwe endaweni yayo.

16 Waza weza lo-Sheshbatsare, wazibeka iziseko zendlu ka-Tîxo ese-Yerusalem; kususela kweloxesha unangoku iyakîwa, ayikagqitywa-ke.

17 Kaloku, ukuba kutê kwalunga kukumkani, makupîcotwe endlwini yobutyebi bukakumkani, ese-Babeli apô, kukângelwe ukuba kunjalo-na, ukuba wawiswa-na umtêtô ngu-Koresi ukumkani wokuba yakîwe lendlu ka-Tîxo e-Yerusalem; kananjalo makutûnyelwe kutî ukutânda kokumkani ngalento.

6 Waza u-Dariyo ukumkani wawisa umtêtô; kwapîcotwa endlwini yencwadi, apô ubutyebi bebubekwe kôna e-Babeli.

2 Kwafunyanwa komkûlu, e-Ameta, eselizweni lama-Medi, incwadi esongiweyo, kwaye kubâliwe apô isikûmbûzo, kwatîwa:

3 Ngowokuqala unyaka ka-Koresi ukumkani wawisa umtêtô u-Koresi ukumkani, watî, Indlu ka-Tîxo e-Yerusalem, mayakîwe indlu-leyo, ibe yindawo apô kubingelelwa kôna imibingelelo; zimiswe neziseko zayo; ukupâkama kwayo kube zikubite ezimashumi matândatû, ububanzi bayo bube zi-kubite ezimashumi matândatû;

4 Ibe zingcambâ ezintatû zamatye anzima, nocambâ lwemitî emitsha; indleko mayipûme endlwini yokumkani;

5 Nempahla zendlu ka-Tîxo ze-golide nezesilvere, awazifolayo u-Nebukadenetsare e-tempileni yase-Yerusalem, wazizisa e-Babeli, mazibuyiswe zisiwe e-tempileni ese-Yerusalem, endaweni zazo, endlwini ka-Tîxo.

6 Ngoko, Tatenayi, bambâ lapêsheya komlambo, nawe Shetar-bozenayi, nabalingane benu bama-Afarseka pêsheya komlambô, yibani kude nalonto;

7 Wuyekeni umsebenzi walendlu ka-Tîxo. Ibambâ lama-Yuda namadoda amakûlu akwa-Yuda mabayakê lendlu ka-Tîxo endaweni yayo.

8 Ndiwisa umtêtô wento enoyenza kumadoda amakûlu aloma-Yuda, ukuba yakîwe londlu ka-Tîxo, nditi, lomadoda makanikwe ebutyebini bukakumkani, e-fafini yapêsheya komlambo indleko, kunyanyekwe, angabanjezelwa.

9 Nezinto ezifunekayo, inkunzi ezintsha zenkomo, nenkunzi zegusha, nemvana zokuba ngamadini anyukayo ku-Tîxo wezulu, nenqôlowa, netyuwa, ne-wayini, neoli, ngokwelizwi labenzeleleli abase-Yerusalem, makazinikwe imihla ngemihla, kungapôsiswa;

10 Ukuze basondeze imibingelelo elivumbâ elitôzamisayo ku-Tîxo wezulu, batândazele ubomi bokumkani nobonyana bakê.

11 Ndiwisa umtêtô wokuba bonke abantu abayijikayo lonto, makuncotûlwe umtî endlwini yabo, baxônywe, babetêlelwe kuwo; nendlu yabo yenziwe indawo yokuya endle ngenxa yoko;

Digitized by Google

12 U-Tixo, olibekê kôna igama lakê, makabakâhlele pântsi bonke okumkani nabantu, abolula izandla zabo, beyijika lonto, ukuba bayitshabalalise lendlu ka-Tixo ese-Yerusalem. Mna Dariyo, ndiwise umtêtô; mawenziwe ngenyameko.

13 Baza o-Tatenayi ibambâ langaneno komlambo, no-Shetar-bozenayi, nabalingane babo, ngenx' enokuba u-Dariyo ukumkani etûmile, benje njalo ngenyameko.

14 Ke amadoda amakûlu ama-Yuda akâ, apûmelela ngokokuprofeta kuka-Hagayi um-profeti, no-Zekariya unyana ka-Ido; akâ-ke, agqiba ngenxa yomtêtô ka-Tixo ka-Sirayeli, nangenxa yomtêtô wo-Koresi, no-Dariyo, no-Artashashta okumkani base-Persi.

15 Yagqitywa-ke lendlu ngosuku lwesitâtû lwenyanga engu-Adare, ngunyaka wesitândatû lowo wokulaula kuka-Dariyo ukumkani.

16 Onyana baka-Sirayeli: abenzeleleli naba-Levi, nabanye onyana basemfudukeni bakwenza ngovuyo ukuhlaziywa kwalendlu ka-Tixo.

17 Basondezela ukuhlaziywa kwalendlu ka-Tixo ikûlu lenkunzi ezintsha zenkomo, namakûlu amabini enkunzi zegusha, namakûlu amane emvana; nenkunzi zebôkwe zedini lesono, ngenxa yama-Sirayeli onke, zalishumi elinambini, ngokwenani lezizwe zakwa-Sirayeli.

18 Babamisa abenzeleleli ngokwezahlulo zabo, naba-Levi ngokwamaqela abo pêzu kwenkonzo ka-Tixo ese-Yerusalem, ngoko kubâlwe encwadini ka-Moses.

19 Onyana basemfudukeni bayenza ipasika ngomhla weshumi elinesine wenyanga yokuqala;

20 Ngokuba bebezihlambûlule abenzeleleli naba-Levi njengamntu mnye, bahlambûluka bonke bepêla; babaxêlela i-pasika onyana bonke basemfudukeni, nabazalwana babo abenzeleleli, nabo ngokwabo.

21 Badla-ke onyana baka-Sirayeli, ababebuye ekufudukeni, kwa nabo bonke abazahlulayo ebunqambîni bentlanga zelizwe, beza kubo, ukuba bamfune u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli.

22 Benza umtêndeleko wezonka ezinge nagwele imihla yasixênxe bevuyile; ngokuba u-Yehova ebebavuyisile ngokuyibuyisela kubo intliziyo yokumkani wakwa-Asuri, ukuze izandla zabo zomelezwe emsebenzini wendlu ka-Tixo, u-Tixo ka-Sirayeli.

7 Emveni kwezonto, ebukumkanini buka-Artashashta ukumkani wase-Persi, watî u-Ezra unyana ka-Seraya, unyana ka-Azariya, unyana ka-Hilekiya,

2 Unyana ka-Shalum, unyana ka-Tsadoki, unyana ka-Ahitubi,

3 Unyana ka-Amariya, unyana ka-Azariya, unyana ka-Merayoti,

4 Unyana ka-Zeraya, unyana ka-Uzi, unyana ka-Buki,

5 Unyana ka-Abishuwa, unyana ka-Pinehasi, unyana ka-Elazare, unyana ka-Aron umenzeleleli oyintloko,

6 U-Ezra lowo wenyuka epûma e-Babeli, waye engumbâli oyinkunqele emyalelweni ka-Moses, awawuwisayo u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli. Ukumkani wamnika konke awakucelayo ngokwesandla sika-Yehova u-Tixo wakê, esipêzu kwakê.

7 Kwenyuka *naye* inxenye yonyana baka-Sirayeli, neyabenzeleleli, naba-Levi, nabavumi, nabamasango, nabakônzi betempile, besiya e-Yerusalem ngonyaka wesixênxe ka-Artashashta ukumkani.

8 Wafika e-Yerusalem ngenyanga yesihlanu; lowo-ke ngunyaka wesixênxe wokumkani.

9 Ngokuba ibingumhla wokuqala wenyanga yokuqala, awawumisela ukunyuka ngawo, epûma e-Babeli, wafika e-Yerusalem ngomhla wokuqala wenyanga yesihlanu ngokwesandla esilungileyo sika-Tixo wakê, esibe sipêzu kwakê;

10 Ngokuba u-Ezra intliziyo yakê wayeyibêkise ekuwufuneni umyalelo ka-Yehova, awenze afundise ummiselo nesiko kwa-Sirayeli.

11 Yiyo le incwadi, awatî ukumkani u-Artashashta, wamnika u-Ezra umenzeleleli, umbâli obâla amazwi emitêtô ka-Yehova nemimiselo yakê kuma-Sirayeli.

12 U-Artashashta, ukumkani wokumkani, ku-Ezra umenzeleleli, umbâli ogqibeleleyo emtêtwêni ka-Tixo wezulu, njalo njalo.

13 Ndiwise umtêtô wokuba bonke abaqûtywa yintliziyo ebukumkanini bam, pâkatî kwabantu bakwa-Sirayeli, nabenze-

Digitized by Google

leleli babo naba-Levi, ukuya e-Yerusalem, mabahambê nawe;

14 Ngokuba wena utûnywa ngukumkani namapâkatî akê asixènxe, ukubuzisa ngama-Yuda ne-Yerusalem ngokomtêtô ka-Tîxo wakô osesandleni sakô;

15 Uyise i-silvere ne-golide, ukumkani namapâkatî akê ayinikelayo ngokuqûtywa yintliziyo ku-Tîxo ka-Sirayeli, okâya lise-Yerusalem;

16 Nayo yonke i-silvere ne-golide, owoyifumana ezweni lonke lase-Babeli, kunye nomnikelo wokuqûtywa yintliziyo wabantu nabenzeleleli, abanikela ngokuqûtywa yintliziyo ngenxa yendlu ka-Tîxo wabo, ese-Yerusalem.

17 Ngoko-ke uya kutênga ngenyameko ngalemali inkunzi ezintsha zenkomo, nenkunzi zegusha, nemvana, neminikelo yazo yokudla netûlulwayo, uyisondeze esibingelelweni sendlu ka-Tîxo wenu ese-Yerusalem.

18 Nento etô yalunga kuwe, nakubazalwana bakô, ukwenziwa nge-silvere nangegolide eseleyo, noyenza ngokokutânda kuka-Tîxo wenu.

19 Ke impahla ozinikiweyo ngenxa yombuso wendlu ka-Tîxo wakô, zinikele zipêlele pâmbî ko-Tîxo e-Yerusalem.

20 Nezinye izinto ezifunekayo zendlu ka-Tîxo wakô, otî kuyafuneka ukuba zinikelwe, wozifola endlwini yobutyebi bokumkani.

21 Mna Artashashta, kumkani, ndiwisa umtêtô kubo bonke abagcini-butyebi abapêsheya komlambô, wokuba konke aya kukubiza kuni u-Ezra, umenzeleleli, umbâli womtêtô ka-Tîxo wezulu, makwenziwe ngenyameko,

22 Kuse ekûlwini le-talente ze-silvere, nekûlu le-kore zenqôlowa, nekûlu le-bate ze-wayini, nekûlu le-bate ze-oli, netyuwa ingalinganiselwa.

23 Yonke into engomtêtô ka-Tîxo wezulu mayenzelwe indlu ka-Tîxo wezulu ngokutê-nqo; kuba kunganina ukuba bufikelwe bufalafume ubukumkani bokumkani nonyana bakê?

24 Makwazeke kuni, ukuba bonke abenzeleleli naba-Levi, nabavumi, nabamasango, nabakônzi be-tempile, nabalungiseleli balendlu ka-Tîxo, akukô bani unagunya lakubatwesa i-fafu, nasitâbatâba, namnikelo.

25 Wena Ezra, ngokobulumko bukaTîxo wakô obusesandleni sakô, misa abagwebi nabatêtî bamatyala ebantwini bonke abapêsheya komlambô, nditî, bonke abayaziyo imitêtô ka-Tîxo wakô; nabangayaziyo nobazisa.

26 Ke bonke abasukuba bengawenzi umtêtô ka-Tîxo wakô, nomtêtô wokumkani, malitêtwe ityala labo ngenyameko, nokuba baya kubulawa, nokuba baya kugxotwa, nokuba baya kudliwa, nokuba baya kukônxwa.

27 Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo wobawo, oyinikeleyo into enjalo entliziyweni yokumkani, ukuba ayihombise indlu ka-Yehova ese-Yerusalem;

28 Onditôbele inceba pâmbî kokumkani, namapâkatî akê, nabatêtêli bonke bokumkani abangamagofa. Mna ndomelezeka ngokwesandla sika-Yehova u-Tîxo wam esipêzu kwam; ndazibutâ kuma-Sirayeli intloko zezindlu zoyise ukuba zinyuke nam.

8 Zizo-ke ezi intloko zezindlu zoyise, nokubâlwa kwazo emilibeni yokuzalwa, ezenyuka nam, zipûme e-Babeli, ebukumkanini buka-Artashashta ukumkani:

2 Konyana baka-Pinehasi ngu-Gershom; konyana baka-Itamare ngu-Daniyeli; konyana baka-Davide ngu-Hatushe;

3 Konyana baka-Shekaniya, konyana baka-Paroshe ngu-Zekariya, enamadoda abâlwe emilibeni yokuzalwa, alikûlu elinamanci mahlanu;

4 Konyana baka-Pahati wakwa-Mowabi ngu-Eliyohenayi unyana ka-Zeraya, enamadoda angamakûlu mabini;

5 Konyana baka-Shekaniya unyana ka-Yahaziyeli, enamadoda angamakûlu amatâtû;

6 Konyana baka-Adin ngu-Ebede unyana ka-Yonatan, enamadoda amashumi mahlanu;

7 Konyana baka-Elam ngu-Yeshaya unyana ka-Ataliya, enamadoda amashumi asixênxe;

8 Konyana baka-Shefatiya ngu-Zebadiya unyana ka-Mikayeli, enamadoda amashumi asibôzo;

9 Konyana baka-Yowabi ngu-Obadiya unyana ka-Yehiyeli, enamadoda angamakûlu amabini aneshumi elinesibôzo;

10 Konyana baka-Shelomiti unyana ka-

Digitized by Google

Yosifiya, enamadoda alikûlu elinamanci matândatû;
11 Konyana baka-Bebayi ngu-Zekariya unyana ka-Bebayi, enamadoda amashumi mabini anesibôzo;
12 Konyana baka-Azegadi ngu-Yohanan unyana ka-Hakatan, enamadoda alikûlu elineshumi elinye;
13 Konyana bokugqibela baka-Adonikam abamagama anga la: ngu-Elifelete, no-Yehiyeli, no-Shemaya, benamadoda amashumi matândatû;
14 Konyana baka-Bigwayi ngu-Utayi, no-Zabudi, enamadoda amashumi asixênxe.

15 Ndabahlanganisela emlanjeni ongum-Ahawa; samisa kôna imihla yamitâtû. Ndabagqala abantu nabenzeleleli; andafumana kôna namnye wonyana baka-Levi.
16 Ndatûmela ukuba kubizwe o-Eliyezere, no-Ariyeli, no-Shemaya, no-Elinatan, no-Yaribi, no-Elinatan, no-Natan, no-Zekariya, no-Meshulam abazintloko, no-Yoyaribi no-Elinatan abaqondisi-mtêtô.
17 Ndabasusa baya ku-Ido oyintloko endaweni eyi-Kasifiya; ndabeka amazwi emlonyeni wabo, ukuba batêtê wona ku-Ido, nabazalwana bakê abakônzi be-tempile, endaweni eyi-Kasifiya, ukuba basizisele abalungiseleli bendlu ka-Tixo wetû.
18 Batî-ke ngokwesandla sika-Tixo wetû esilungileyo, esipêzu kwetû, babazisa kutî o-Ishi-sekele konyana baka-Mahali, unyana ka-Levi, unyana ka-Sirayeli; no-Sherebiya, nonyana bakê nabazalwana bakê; ishumi elinesibôzo;
19 No-Hashabiya eno-Yeshaya konyana baka-Merari, nabazalwana bakê nonyana babo: amashumi amabini;
20 Nakubakônzi be-tempile, ababetê o-Davide nabatêtêli babanikela ukuba bakônze kuba-Levi; abakônzi be-tempile ibingamakûlu amabini, anamanci mabini bonke bebalulwe ngamagama.
21 Ndamema inzilo apô emlanjeni ongum-Ahawa, ukuba sizitôbe pâmbî ko-Tixo wetû, sizifunele kuye indlela etê-tye tina, nentsapo yetû, nemfuyo yetû yonke;
22 Ngokuba ndandinentloni ukuba ndicele impi nabamahashe kukumkani, ukuba basincede ezintshabeni endleleni; ngokuba besesitê kukumkani, Isandla sika-Tixo wetû sipêzu kwabo bonke abamfunayo, ukuba kulunge; namandla akê nomsindo wakê uyabacâsa bonke abamshiyayo.
23 Sazila ukudla-ke, samkûnga ngenxa yoko u-Tixo wetû, watândazeka sitî.
24 Ndahlula kubatêtêli babenzeleleli ishumi elinababini, ngapândle ko-Sherebiya, no-Hashabiya, neshumi labazalwana babo,
25 Ndayilinganisela kubo i-silvere, negolide, nempahla, umfumo wendlu ka-Tixo wetû, abawufumayo ukumkani, namapâkatî akê, nabatêtêli bakê, nama-Sirayeli onke awayekô apo.
26 Ndalinganisela esandleni sabo amakûlu amatândatû anamanci mahlanu etalente ze-silvere, nekûlu le-talente zempahla ze-silvere, nekulu le-talente zegolide,
27 Namashumi amabini e-bêkile ze-golide ziliwaka le-darike, nempahla ezimbîni zobêdu olubengezela kakuhle, zinqweneleka njenge-golide.
28 Ndatî kubo, Ningcwele ku-Yehova, impahla zingcwele, ne-golide ne-silvere zingumnikelo wabaqûtywa yintliziyo ku-Yehova, u-Tixo woyihlo;
29 Pâpâni nigcine nide nizilinganisele pâmbî kwabatêtêli babenzeleleli naba-Levi, nabatêtêli bezindlu zoyise zama-Sirayeli, e-Yerusalem, ezi-kambîlini zendlu ka-Yehova.
30 Abenzeleleli naba-Levi bawamkelake umlinganiso we-silvere ne-golide nempahla, ukuba bawuzise e-Yerusalem endlwini ka-Tixo wetû.

31 Saza sanduluka emlanjeni ongum-Ahawa ngomhla weshumi elinesibini wenyanga yokuqala, ukuba size e-Yerusalem; isandla sika-Tixo wetû saba pêzu kwetû, sasihlangula esandleni sentshaba nabasilaleleyo endleleni.
32 Safika e-Yerusalem, sahlala kôna intsuku zantatû.
33 Ngomhla wesine yalinganiselwa isilvere ne-golide nempahla endlwini ka-Tixo wetû, esandleni sika-Meremoti unyana ka-Uriya, umenzeleleli, eno-Elazare unyana ka-Pinehasi, beno-Yozabadi unyana ka-Yeshuwa, no-Nowadiya unyana ka-Binwi aba-Levi;
34 Zanikelwa ngokwenani ngokulinganiselwa kwento zonke; konke ukulinganiselwa kwabâlwa ngeloxesha.

Digitized by Google

35 Onyana basemfudukeni, abô babepûme ekutînjweni, basondeza amadini anyukayo ku-Tîxo ka-Sirayeli: inkunzi ezintsha zenkomo zalishumi elinambîni ngenxa yama-Sirayeli onke, nenkunzi zegusha zamashumi asitôba anantandatû, nemvana zamashumi asixênxe anesixênxe, nenkunzi zebôkwe zedini lesono zalishumi elinambîni;. zonke zaba lidini elinyukayo ku-Yehova.

36 Bayinikela imitêtô yokumkani kwifuluneli zokumkani, nakumabambâ ngaleneno komlambo; abo bebenceda abantu nendlu ka-Tîxo.

9 Kwakugqitywa oko, beza kum abatêtêli, batî, Abantu bakwa-Sirayeli, nabenzeleleli naba-Levi, abazahluli kwizizwe zamazwe la, benza ngokwamasikizi azo, awama-Kanan, nama-Heti, nama-Perizi, nama-Yebusi, nama-Amon, nama-Mowabi, nama-Yiputa, nama-Amori;

2 Ngokuba bazizekele bona nonyana babo abafazi ezintombîni zawo; yazixuba imbêwu engcwele nezizwe zalamazwe; ke kuqale isandla sabatêtêli nabapâtî kobubumenemene.

3 Ndatî ndakuliva elolizwi ndaziŕazula ingubo zam kwa neyokwaleka, ndazidlatula inwele zam nendevu, ndahlala pântsi, ndimangalisiwe.

4 Ndahlanganisela kum bonke abagubâ ngamazwi ka-Tîxo ka-Sirayeli, ngenxa yobumenemene babafuduswayo; ndahlala pântsi, ndimangalisiwe kwada kwalilixa lomnikelo wokudla wangokuhlwa.

5 Ngeloxa lomnikelo wokudla wangokuhlwa ndesuka ekuzitôbeni kwam, ndaziŕazula ingubo zam neyokwaleka, ndaguqa ngamadolo, ndazolulela izandla zam ku-Yehova u-Tîxo wam, ndatî,

6 Tîxo wam, ndidanile, ndinentloni, andinakubupâkamisela kuwe ubuso bam, Tîxo wam; ngokuba ubugwenxa betû bukûlile bapêzu kwentloko zetû, netyala letu likûlu lesa emazulwini.

7 Kususela kwimihla yobawo sisetyaleni elikûlu, unanamhla; ngenxa yobugwenxa betû sanikelwa tîna, nokumkani betû, nabenzeleleli betû, esandleni sokumkani balamazwe, naseŕeleni, nàsekutînjweni, nasekupângweni, nasekudaneni kobuso, njengoko kunjalo namhla.

8 Kaloku ngokwepânyazo elincinane kukô ubabalo oluvela ku-Yehova u-Tîxo wetû, lokusishiyela abasindileyo, asinike isikônkwane endaweni yengcwele yakê, ukuze u-Tîxo wetû awakânyisele amehlo etû, asisindise kancinane ebukôbokeni betû.

9 Ngokuba singamakôboka; ke ebukôbokeni betû akasishiyanga u-Tîxo wetû, usitôbele inceba pâmbî kokumkani basePersi, basisindisa, ukuba sipâkamise indlu ka-Tîxo wetû, silungise inxuwa layo, basibiyele utângo kwa-Yuda naseYerusalem.

10 Singatî-nina kaloku, Tîxo wetû, emveni koko? siyishiyile-nje imitêtô yakô, owayiwisayo ngabakônzi bakô abaprofeti,

11 Usitî, Ilizwe eniya kulima lilizwe lokuncôla ngokuncôla kwezizwe zalamazwe, ngamasikizi azo azalisileyo, atâbatêla kwelinye icala esa kwelinye, ngobunqambî bazo.

12 Kengoko intombî zenu musan' ukuzendisela konyana bazo, nentombî zazo musan' ukuzizekela onyana benu; ningalunyamekeli uxolo lwazo nokuzilungeleyo napâkade; ukuze nomelele, nidle ukulunga kwelizwe elo, nilinike onyana benu libe lilifa kude kuse epâkadeni.

13 Emveni kwako konke okusihleleyo ngenxa yezenzo zetû ezibi, nangenxa yetyala letû elikûlu, (kanti wena, Tîxo wetû, usiyekile akwasohlwaya ngangobugwenxa betû, wasinika abasindileyo abangakanana,)

14 Singabuya siyapûle-na imitêtô yakô, sendiselane nezizwe ezinalomasikizi? akuyi kusifutêla ngomsindo side sipêlena, ukuze kungabikô baseleyo basindileyo?

15 Yehova, Tîxo ka-Sirayeli, ulilungisa, ngokuba sisele singabasindileyo, njengoko kunjalo namhla. Uyabona, sipâmbî kwakô, sinalo ityala letû, ngokuba akukô unokuma pâmbî kwakô ngenxa yoko.

10 Kekaloku akutândaza u-Ezra, akukuxela oku, elila eziwisile pâmbî kwendlu ka-Tîxo, kwabutêlana kuye kuma-Sirayeli ibandla elikûlu kakûlu lamadoda nabafazi nabantwana, ngokuba abantu batsho ngesililo esikûlu.

2 Wapêndula u-Shekaniya unyana ka-Yehiyeli, owonyana baka-Elam, watî ku-

Digitized by Google

Ezra, Senze ubumenemene ku-Tixo wetû, sazeka abafazi bezinye intlanga ezizweni zelizwe-eli; kodwa kusekô itêmbâ kuma-Sirayeli ngalento.

3 Masimenzele ngoku umnqopíso u-Tíxo wetû wokuba sibakûpê bonke abafazi nabazelwe ngabo, ngokwecebo lenkosi yam nelabagubêla imitêtô ka-Tíxo wetû; makwenziwe ngokomyalelo.

4 Vuka, ngokuba lento ipêzu kwakô; singakuwe; yomelela, wenze.

5 Wavuka u-Ezra, wabafungisa abatêtêli babenzeleleli, naba-Levi, nama-Sirayeli onke, ukuba benze ngokwelozwi; bafunga-ke.

6 Wesuka u-Ezra pâmbî kwendlu ka-Tíxo, wangena e-kambílini ka-Yohanan unyana ka-Eliyashibi. Watî akufika kô-na; akadla sonka, akasela manzi; ngokuba ubesenza isijwili ngenxa yobumenemene babo bafuduswayo.

7 Bahambísa izwi kwa-Yuda nase-Yerusalem kubo bonke onyana basemfudukeni, lokuba babutêlane e-Yerusalem;

8 Batî, bonke abatê abeza ngesitûba semihla emitâtû ngokwecebo labatêtêli nelamadoda amakûlu, mayisingelwe pântsi yonke impahla yabo; ke bona ngokwabo bahlulwa nebandla lasemfudukeni.

9 Abutêlana e-Yerusalem onke amadoda akwa-Yuda nawakwa-Benyamin ngentsuku ezintâtû; yayiyinyanga yesitôba, ngowamashumi amabini umhla wenyangaleyo. Bahlala bonke abantu ebaleni lendlu ka-Tíxo, bengcangcazela yilento nazimvula.

10 Wesuka wema u-Ezra umenzeleleli, watî kubo, Nenze ubumenemene, nizeke abafazi bezinye intlanga, ukuze nongeze etyaleni lama-Sirayeli.

11 Mzukiseni ngoku-nje u-Yehova, u-Tíxo woyihlo, nenze okukôlekileyo kuye, nizahlule kwizizwe zelilizwe nakubafazi bezinye intlanga.

12 Lapêndula lonke ibandla, latî ngezwi elikûlu, Kufanelekile kutî, ukuba senze ngokwelizwi lakô;

13 Kodwa abantu baninzi, yaye lixesha lemvula, akunakumiwa pândle; lomsebenzi asingowemini enye, asingowemini ezimbíni; ngokuba sone kakûlu ngalento.

14 Abatêtêli-ke betû mabalimele ibandla lonke; batî bonke emizini yetû, abazeke abafazi bezinye intlanga, beze ngamaxesha amisiweyo, benamadoda amakûlu emizi ngemizi, nabagwebi bayo, kude kubuyiswe kutî ukuvutâ komsindo ka-Tíxo wetû, isekô-nje lento.

15 Ngo-Yonatan unyana ka-Asayeli, no-Yazeya unyana ka-Tikwa bodwa abamelana nelozwi; o-Meshulam no-Shabetayi um-Levi bebancedisa.

16 Benje njalo-ke onyana basemfudukeni. Kwahlulwa o-Ezra umenzeleleli, namadoda azintloko zezindlu zoyise ngokwezindlu zoyise, bonke bepêla bebalulwe ngamagama; bahlala pantsi ngomhla wokuqala wenyanga yeshumi ukuyibuza lento.

17 Bayigqiba into yonke yamadoda, abezeke abafazi bezinye intlanga, elusukwini lokuqala lwenyanga yokuqala.

18 Konyana babenzeleleli kwafunyanwa ababezeke abafazi bezinye intlanga; konyana baka-Yeshuwa unyana ka-Yotsadaki, nabazalwana bakê: ingo-Mahaseya, no-Eliyezere, no-Yaribi, no-Gedaliya.

19 Banika isandla sabo, ukuba bobakûpâ abafazi babo; batî, benetyala-nje, bakûpê inkunzi yasempahleni emfutshane ngenxa yetyala labo;

20 Konyana baka-Imere yangu-Hanani no-Zebadiya;

21 Konyana baka-Harim yangu-Mahaseya, no-Eliya, no-Shemaya, no-Yehiyeli, no-Uziya;

22 Konyana baka-Pashure yangu-Eliyohenayi, no-Mahaseya, no-Ishimayeli, no-Nataniyeli, no-Yozabadi, no-Eliyasa;

23 Nakuba-Levi yangu-Yozabadi, no-Shimehi, no-Kelaya okwangu-Kelita, no-Petaya, no-Yuda, no-Eliyezere;

24 Kwimvumi yangu-Eliyashibi; kwabamasango yangu-Shalum, no-Telem, no-Uri;

25 Kuma-Sirayeli; konyana baka-Paroshe yangu-Ramiya, no-Iziya, no-Malekiya, no-Miyamin, no-Elazare, no-Malekiya, no-Benaya;

26 Konyana baka-Elam yangu-Mataniya, no-Zekariya, no-Yehiyeli, no-Abedi, no-Yeremoti, no-Eliya;

27 Konyana baka-Zatu yangu-Eliyohenayi, no-Eliyashibi, no-Mataniya, no-Yeremoti, no-Zabadi, no-Aziza;

28 Nakonyana baka-Bebayi yangu-Yohanan, no-Hananiya, no-Zabadi, no-Atelayi;

29 Konyana baka-Bani yangu-Meshu-

Digitized by Google

lam, no-Maluki, no-Adaya, no-Yashubi, no-Shehali, no-Yeremoti;
30 Konyana baka-Pahati wakwa-Mowabi yangu-Adena, no-Kelali, no-Benaya, no-Mahaseya, no-Mataniya, no-Betsaleli, no-Binwi, no-Manase;
31 Konyana baka-Harim yangu-Eliyezere, no-Isiya, no-Malekiya, no-Shemaya, no-Simon,
32 No-Benyamin, no-Maluki, no-Shemariya;
33 Konyana baka-Hashum yangu-Matenayi, no-Matata, no-Zabadi, no-Elifelete, ne-Yeremayi, no-Manase, no-Shimehi;
34 Konyana baka-Bani yangu-Mahadayi, no-Amram, no-Uweli,
35 No-Benaya, no-Bedeya, no-Kelwi,
36 No-Vaniya, no-Meremoti, no-Eliyashibi,
37 No-Mataniya, no-Matenayi, no-Yahasavi,
38 No-Bani, no-Binwi, no-Shimehi,
39 No-Shelemiya, no-Natan, no-Adaya,
40 No-Makenadebayi, no-Shashayi, no-Sharayi,
41 No-Azareli, no-Shelemiya, no-Shemariya,
42 No-Shalum, no-Amariya, no-Yosefu;
43 Konyana baka-Nebo yangu-Yehiyeli, no-Matitiya, no-Zabadi, no-Zebina, no-Yadayi, no-Yoweli, no-Benaya.
44 Bonke abo babezeke abafazi bezinye intlanga. Bekukô pâkatî kwabo abafazi ababezele onyana.

INCWADI KA-NEHEMIYA.

ISIQENDU I.

IBALI lika-Nehemiya unyana ka-Hakaliya.

Kwatî ngenyanga engu-Kislevu, ngonyaka wamashumi amabini, ndakubon'ukuba ndise-Shushan komkûlu;
2 Kwafika u-Hanani, omnye wakubazalwana bam, enamadoda avela kwa-Yuda. Ndababuza indaba zama-Yuda, amasalela asindileyo ekutînjweni, neze-Yerusalem.
3 Batî kum, Amaqongqolo asele ekutînjweni, kwa-Yuda, asebubini obukûlu nasekungcikivweni; nodonga lwe-Yerusalem luqêkekile, namasango ayo atshe ngumlilo.
4 Kwatî, ndakuweva lamazwi, ndahlala pântsi, ndalila, ndenza isijwili intsuku, ndazila ukudla, ndatândaza pâmbî ko-Tîxo wezulu,
5 Ndatî, Camagu, Yehova, Tîxo wezulu, Tîxo omkûlu owoyikekayo, ubagcinelayo umnqopîso nenceba abamtândayo abayigcinayo imitêtô yakê;
6 Indlebe yakô makê ibazeke, namehlo ako makê avuleke, ukuze uwupûlapûle umtândazo womkônzi wakô, endiwutândazayo pâmbî kwakô ngoku, imini nobusuku ngenxa yonyana baka-Sirayeli abakônzi bakô, nokuzixela kwam izono zonyana baka-Sirayeli, esone ngazo kuwe; mna nendlu kabawo sonile.
7 Sonakalisile senza ububi ngakuwe; asiyigcinanga imitêtô, nemimiselo, namasiko, obumwisele umtêtô ngawo u-Moses umkônzi wakô.
8 Kâulikûmbûle ilizwi, owamwisela umtêtô ngalo u-Moses umkônzi wakô, elitî, Ukuba nina nitê nenza ubumenemene: ndonicîtâcîtêla ezizweni;
9 Ke ukuba nitê nabuyela kum, nayigcina imitêtô yam, nayenza, nokuba kutê kwakô kuni abagxotêlwe ekupêleni kwezulu: ndobabutâ nalapô, ndibazise kulondawo ndiyinyulele ukulibeka kuyo igama lam.
10 Aba-ke ngabakônzi bakô nabantu bakô, owabakûlula ngamandla akô amakûlu nangesandla sakô esitê-nqi.
11 Camagu, Nkosi yam, indlebe yako mayikê ibazelwe umtândazo womkônzi wakô, nomtândazo wabakônzi bakô, abatânda ukoyika igama lakô; kâumpûmelelise umkônzi wakô nambla, umfumanise imfesane pâmbî kwalendoda. Ke mna bendingumncâmli kukumkani.

Digitized by Google

2 Kwatí ngenyanga engu-Nisan, ngonyaka wamashumi amabini ka-Artashashta ukumkani, yakô i-wayini pâmbí kwakê, ndayitâbatâ i-wayini-leyo, ndayinika ukumkani. Ke bendingazange ndibonakale nditê kunubembê pâmbí kwakê.

2 Watí ukumkani kum, Kunganina ukuba ubuso bakô bube-nje ukuba bubi, ungafi-nje? lento bububi bentliziyo, asinto yimbí. Ndoyika-ke kakûlu kunene.

3 Ndatí kukumkani, Ukumkani makadle ubomi ngonapâkade. Bebungatí-nina ukuba ubuso bam bungabi bubi, ulinxuwanje umzi-lo, indawo yamancwaba obawo, amasango awo etshiswe ngomlilo?

4 Watí ukumkani kum, Ufuna nto-ninake? Ndatândaza-ke ku-Tíxo wezulu.

5 Ndatí kukumkani, Ukuba kutê kwalunga kukumkani, ukuba umkônzi wakô lo utê walungisa pâmbí kwakô, ndinga unganditûma kwa-Yuda kuwo umzi wamancwaba obawo, ndiwakê.

6 Watí ukumkani kum, (ukumkanikazi ehleli ngasecaleni lakê,) Uhambô lwakô loba lolwexesha elingakanani-na? wobuya ninina? Kwalunga-ke kukumkani ukunditûma, ndakuba ndimmisele ixesha.

7 Ndatí kukumkani, Ukuba kutê kwalunga kukumkani, mandinikwe incwadi eya kumabambâ apêsheya komlambo, andiyeke ndidlule ndide ndiyekufika kwa-Yuda;

8 Nencwadi eya ku-Asafu umgcini wehlatí lokumkani, ukuba andinike imitî yemiqadi yamasango enqaba elunge kwindlu, neyodonga lomzi, neyendlu endiya kuhlala kuyo. Wandinika-ke ukumkani ngokwesandla sika-Tíxo esilungileyo esipêzu kwam.

9 Ndafika kumabambâ anganeno komlambo, ndawanika incwadi zokumkani. Kekaloku ukumkani ubendikûpêle nam abatêtêli bempi nabamahashe.

10 Batí-ke, u-Sanebalati wase-Horon, no-Tobiya, umkônzi um-Amon, bakuyiva lonto, kwaba kubi kubo ngobubi obukûlu, ukuba kufike umntu ofuna ukuba kulunge konyana baka-Sirayeli.

11 Ndafika-ke e-Yerusalem, ndanentsuku zantâtû kôna.

12 Ndesuka ebusuku; mna ndinamadoda ambalwa. Andixelelanga mntu into abeyingenise entliziyweni yam u-Tíxo wam, ukuba ndiyenzele i-Yerusalem. Bendingenamaqêgu ibilelo lodwa bendikwele kulo.

13 Ndapûma-ke ebusuku ngesango lomfula, ndasinga emtônjeni wenambâ, nasesangweni lezala, ndilolonga indonga ze-Yerusalem ebeziqêkekile, namasango ayo abetshiswe ngomlilo.

14 Ndagqitêla esangweni lomtômbô nasecíbini lokumkani; akwabikô ndawo yokuba litûbelezê kuyo iqegu endandilikwele.

15 Ndakwêza-ke isihlambô ngobusuku, ndilolonga udonga, ndabuya ndangena ngesango lomfula; ndabuya-ke.

16 Kekaloku abapâtí babengazi apô ndandiye kôna, nento endandiye kuyenza; bendingekawaxeleli ama-Yuda, nabenzeleleli, nabanumzana, nabapâtí, nabanye abenza umsebenzi.

17 Ndatí kubo, Niyabubona ububi esikubo, ukuba i-Yerusalem ilinxuwa, namasango ayo atshisiwe ngomlilo; yizani, sakê udonga lwe-Yerusalem, singabi saba lungcikivo.

18 Ndabaxelela ukulunga kwesandla sika-Tíxo wam pêzu kwam; namazwi okumkani awawatêtâyo kum. Batí, Masisuke sakê. Bazomeleza izandla zabo ukwenza lomsebenzi ulungileyo.

19 Batí-ke, u-Sanebalati wase-Horon, no-Tobiya umkonzi, um-Amon, no-Geshem um-Arabi, bakuyiva lonto, basigculela basidela, batí, Yinto-nina lento niyenzayo? niya kugwilika-na kukumkani?

20 Ndabapêndula, ndatí kubo, U-Tíxo wezulu nguye oya kusipûmelelisa; tîna bakônzi bakê siya kusuka sakê; ke nina aninasabelo nalungelo nasikûmbûzo e-Yerusalem.

3 Wesuka-ke u-Eliyashibi umenzeleleli omkûlu nabazalwana bakê abenzeleleli, balakâ isango lempahl' emfutshane; balingcwalisa bona; bazimisa ingcango zalo, bakâ besa enqabeni ende ye-Meha, bayingcwalisa, besa enqabeni ende ka-Hananeli.

2 Ngakuye kwakusakâ amadoda ase-Yeriko; ngakuwo kwakusakâ u-Zakure unyana ka-Imri.

3 Onyana baka-Senaha balakâ isango lentlanzi; bona balihlanganisa ngemiqadi; bazifaka ingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo.

Digitized by Google

4 Ngakubo kwakulungiswa ngu-Meremoti unyana ka-Uriya, unyana ka-Hakotse; ngakubo kulungiswa ngu-Meshulam unyana ka-Berekiya, unyana ka-Meshezabeli; ngakubo kulungiswa ngu-Tsadoki unyana ka-Bahana;

5 Ngakubo kulungiswa ngabase-Tekowa; ke ingamgamsha zabo azizingenisanga zona intamo zazo enkonzweni ye-Nkosi yazo.

6 Isango lodonga oludala lalungiswa ngo-Yoyada unyana ka-Paseha, no-Meshulam unyana ka-Besodiya; bona balihlanganisa ngemiqadi; bazifaka ingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo.

7 Ngakubo kwakulungiswa ngu-Melatiya wase-Gibeyon, no-Yadon wase-Meronoti, namadoda ase-Gibeyon nawase-Mitspa; *kwesa* esihlalweni sebambâ langaneno komlambo.

8 Ngakuye kwakulungiswa ngu-Uziyeli unyana ka-Harehaya, wencîbi ze-golide; ngakuye kulungiswa ngu-Hananiya unyana wabaqôli; bayakâ i-Yerusalem basa eludongeni olubanzi.

9 Ngakubo kwakulungiswa ngu-Refaya unyana ka-Hure, umtétêli wesiqingatâ sesitîli sase-Yerusalem;

10 Ngakubo kwakulungiswa ngu-Yedaya unyana ka-Harumafi, malungana nendlu yakê; ngakuye kulungiswa ngu-Hatushe unyana ka-Hashabeniya.

11 Esinye isitûba sesibini nenqaba ende yamaziko sasilungiswa ngu-Malekiya unyana ka-Harim, no-Hashubi unyana ka-Pahati wakwa-Mowabi.

12 Ngakuye kwakulungiswa ngu-Shalum unyana ka-Haloheshe umtétêli wesiqingatâ sesitîli sase-Yerusalem; yena nentombî zakê.

13 Isango lomfula lalilungiswa ngu-Hanun nabemi base-Zanowa; bona balakâ, bazifaka ingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo; newaka le-kubite eludongeni, kwada kwesa esangweni lezala.

14 Isango lezala lalilungiswa ngu-Malekiya unyana ka-Rekabi, umtétêli wesitîli se-Bete-kerem; walakâ, wazifaka ingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo.

15 Isango lomtômbô lalilungiswa ngu-Shalun unyana ka-Koli-hoze, umtétêli wesitîli se-Mitspa; yena walakâ, walifulela, wazifaka ingcango zalo nezitshixo zalo nemivalo yalo; walulungisa nodonga lwecîbi le-Silowa ngasemyezweni wokumkani; kwesa ezinyukweni zokuhla kuvelwa emzini ka-Davide.

16 Emva kwakê kwakulungiswa ngu-Nehemiya unyana ka-Azebuki, umtétêli wesiqingatâ sesitîli se-Bete-tsure, kwesa malunga namancŵaba ka-Davide, kwesa ecîbini ebelenziwe, kwesa nasendlwini yamagoŧa.

17 Emva kwakê kwakulungiswa ngaba-Levi baka-Rehum unyana ka-Bani; ngakuye kulungiswa ngu-Hashabiya umtétêli wesiqingatâ sesitîli se-Kehila, esitîlini sakê.

18 Emva kwakê kwakulungiswa ngabazalwana babo, u-Bawayi unyana ka-Henadade, umtétêli wesinye isiqingatâ sesitîli se-Kehila;

19 Ngakuye kwakulungiswa ngu-Ezere unyana ka-Yeshuwa, umtétêli we-Mitspa, esinye isitûba, malunga nendawo enyukayo ngasendlwini yeziŕweqe ekujikeni.

20 Emva kwakê kwazondelela kwakulungiswa ngu-Baruki unyana ka-Zabayi esinye isitûba; kwatâbatêla ekujikeni, kwesa emnyango wendlu ka-Eliyashibi umenzeleleli omkûlu.

21 Emva kwakê kwakulungiswa ngu-Meremoti unyana ka-Uriya, unyana ka-Hakotsi, esinye isitûba; kwatâbatêla emnyango wendlu ka-Eliyashibi, kwesa ekupêleni kwendlu ka-Eliyashibi.

22 Emva kwakê kwakulungiswa ngabenzeleleli, amadoda alom-Mandla.

23 Emva kwabo kwakulungiswa ngu-Benyamin no-Hashubi malunga nendlu yabo. Emva kwabo kulungiswa ngu-Azariya unyana ka-Mahaseya, unyana ka-Ananiya, ngasendlwini yakê.

24 Emva kwakê kwakulungiswa ngu-Binwi unyana ka-Henadade esinye isitûba; kwatâbatêla endlwini ka-Azariya, kwesa ekujikeni, kwesa embômbêni.

25 *Kwakulungiswa* ngu-Palali unyana ka-Uzayi; etâbatêla malunga ekujikeni, nasenqabeni epêzulu, edulusele endlwini yokumkani, ngasentendelezweni yentolongo. Emva kwakê kulungiswa ngu-Pedaya unyana ka-Paroshe.

26 (Kekaloku abakônzi be-tempile bebehlala e-Ofele, besa malunga nesango lamanzi empumalanga, nenqaba ende edulusele ngapândle.)

27 Emva kwakê kwakulungiswa ngabase-Tekowa esinye isitûba; betâbatêla ma-

Digitized by Google

lungana nenqaba enkulu edulusele ngapândle, besa eludongeni lwe-Ofele.
28 Ngentla kwesango lamahashe kwakulungiswa ngabenzeleleli, ulowo nalowo malunga nendlu yakê.
29 Emva kwabo kwakulungiswa ngu-Tsadoki unyana ka-Imere malunga nendlu yakê. Emva kwakê kulungiswa ngu-Shemaya unyana ka-Shekaniya, umgcini wesango langasempumalanga.
30 Emva kwakê kwakulungiswa ngu-Hananiya unyana ka-Shelemiya, no-Hanun unyana wesitândatû ka-Tsalafi, esinye isitûba. Emva kwakê kulungiswa ngu-Meshulam unyana ka-Berekiya, malunga ne-kambîli yakê.
31 Emva kwakê kwakulungiswa ngu-Malekiya owencîbi ze-golide; kwesa kwindlu yabakônzi be-tempile neyabatêngi, malunga nesango lika-Mifekadi, kwesa kwigumbî elipêzulu lembômbô.
32 Pâkatî kwegumbî elipêzulu lembômbô nesango lempahl' emfutshane kwakulungiswa zincîbi ze-golide nabatêngi.

4 Kwati, akuva u-Sanebalati ukuba siyalwaka udonga, wasuka wavutâ umsindo wakê, waqumbâ kunene, wawangcikiva ama-Yuda,
2 Watêtâ pâmbî kwabazalwana bakê nempi yakwa-Samari, watî, Enza nto-nina lama-Yuda antshwenyileyo? Awayekelwe odwa-na lomsebenzi? obingelela-na? ogqiba namhla-na? owavusa-na amatye kwezimfumbâ zotûli, etshile-nje?
3 Ke u-Tobiya um-Amon engakuye watî, Nalento ayakâyo, kungatî kunyuke impungutye-le, iluqêkeze udonga lwawo lwamatye.
4 Yiva, Tîxo wetû; ngokuba sideliwe, ukubuyisele ezintloko zabo ukungcikiva kwabo, ubanikele ekupângweni ezweni labatînjwa.
5 Mus' ukubuselela ubugwenxa babo; mus' ukusicima isono sabo pâmbî kwakô; ngokuba bequmbîsile pâmbî kwabakî.
6 Ke salwakâ udonga, lwadityaniswa lonke udonga, kwesa esiqingatêni sokupâkama kwalo. Abantu babe nentliziyo yokusebenza.
7 Kwatî, akuva u-Sanebalati, no-Tobiya, nama-Arabi, nama-Amon, nama-Ashdode, ukuba ziyenyuswa indonga ze-Yerusalem, ukuba ziqaliwe ziyavingcwa intânda, wavutâ umsindo wabo kunene.
8 Bacebisana kunye bonke bepêla, ukuba beze kulwa ne-Yerusalem, bayonakalise.
9 Satândaza ku-Tîxo wetû, samisa abokulinda imini nobusuku ngenxa yabo.
10 Atî ama-Yuda, Amandla abatwâli bemitwalo ayetâ, inkunkuma ininzi; tîna asinakulwaka udonga.
11 Ababandezeli betû abo babesitî, Akayi kwazi, akayi kubona, side singene pâkatî kwawo, siwabulale, siwumise umsebenzi.
12 Kwatî, akuza ama-Yuda abehleli emacaleni abo, atêtâ kutî izihlandlo zalishumi, epûma endaweni zonke, esitî, Buyelani kutî;
13 Ndesuka ndamisa ezindaweni ezisezantsi emva kodonga, ezindaweni ezibalelelwa lilanga, ndamisa abantu ngokwemizalwane, benamarele abo, nezikâli zabo, nezapêta zabo.
14 Ndakângela, ndasuka, ndatî kubanumzana, nakubapâtî, nakwabanye abantu, Musan' ukuboyika; kûmbûlani i-Nkosi enkulu eyoyikekayo, nilwele abazalwana benu, nonyana benu nentombî zenu, nabafazi benu, nezindlu zenu.
15 Kwatî, zakuva intshaba zetû ukuba siyazi tîna, nokuba u-Tîxo ulitshitshisile iqînga lazo, sabuyela sonke sipêla eludongeni, elowo emsebenzini wakê.
16 Kwatî ukususela kulomini, esinye isiqingatâ samadodana akwam sasebenza emsebenzini, nesinye isiqingatâ sapâtâ izikâli nengweletshetshe, izapêta nengubo zentsimbî; kananjalo abatêtêli bebemele emva kwendlu yonke ka-Yuda.
17 Ke aba babesakâ eludongeni, abatwala imitwalo, babetwala ngesinye isandla ebesisebenza emsebenzini, bapâtê izikâli ngesinye;
18 Nabakî babesakâ, benxibe elowo irele lakê esinqeni sake. Ovutêla isigodlo ube secaleni lam.
19 Ndatî kubanumzana, nakubapâtî, nakwabanye abantu, Umsebenzi-lo mkûlu ubanzi; tîna sitê-sa eludongeni, omnye ekude komnye;
20 Endaweni enitê neva izwi lesigodlo, nobutêlana kuyo kum; u-Tîxo wosilwela.
21 Sasisebenza emsebenzini: isiqingatâ sawo sipêtê izikâli, siqalela ekupûmeni kwesifingo, sizise ekuveleni kwenkwenkwenzi.
22 Kananjalo ndatî ngeloxesha ebantwi-

Digitized by Google

ni, Elowo nendodana yakwakê makalale pâkatî e-Yerusalem ebusuku, ukuze babe ngabalindi kutî ebusuku, emini babe semsebenzini.

23 Ke mna nabazalwana bam namadodana akwam, namadoda alindayo abendilandela, besingazikûluli ingubo zetû, elowo enerele lakê kwesokunene.

5 Kekaloku kwabakô ukukâla okukûlu kwabantu nabafazi babo ngabazalwana babo ama-Yuda.

2 Bekukô ababesitî, Sibaninzi tîna, onyana betû nentombî zetû; masamkele inqôlowa, ukuze sidle sipile.

3 Bekukô nabebesitî, Amasimi etû, nezidiliya zetû, nezindlu zetu, sibambîsile ngazo; masamkele inqôlowa ngenxa yendlala.

4 Bekukô nabebesiti, Siboleke imali yokufafela ukumkani ngokubambîsa ngamasimi etû nezi-diliya zetû.

5 Kaloku inyama yetû ikwanjengenyama yabazalwana betû, nonyana betû bakwanjengonyana babo; ukanti, siyabanyatêla onyana betû nentombî zetû, ukuba babe ngamakôboka; ezintombîni zetû kukô nesezinyatêlwe; akukô mandla esandleni setû, amasimi etû nezi-diliya zetû zizezabanye-nje.

6 Wavutâ-ke kakûlu umsindo wam, ndakukuva ukukâla kwabo nalomazwi.

7 Ndafuna iqinga entliziyweni yam, ndabambâna nabanumzana nabapâtî, ndatî kubo, Niyadlana ngokuboleka. Ndabamisela ibandla elikûlu,

8 Ndatî kubo, Tîna ngoko sinakô sibatêngile sabakûlula abazalwana betû ama-Yuda, ebekutêngiswe ngabo kwintlanga; niya kusuka-ke nina nitêngise-na ngabazalwana benu, ukuze batêngise ngeziqu zabo kutî? Bati-cwaka, abafumana lizwi lakupêndula.

9 Ndatî, Ayilungile lento niyenzayo; beningafanele ukuhambâ ekoyikeni u-Tîxo wetû yinina, ngenxa yokungcikiva kwentlanga ezizintshaba zetû?

10 Kananjalo mna, abazalwana bam namadodana akwam, sibaboleke imali nenqôlowa; makê sikuyeke okukuboleka ngokubambîsa.

11 Kânibabuyisele kwanamhla-nje amasimi abo, nezi-diliya zabo, nezinquma zabo, nendlu zabo; nesekûlu isahlulo semali, nesenqôlowa nese-wayini entsha, nese-oli, eniyibize kubo iyinzuzo.

12 Batî, Siya kusibuyisa, singabizi nto kubo; siya kwenza njengoko utshoyo. Ndabiza abenzeleleli, ndabafungisa, ukuba benze ngokwelolizwi.

13 Kananjalo ndavutûlula isondo lengubo yam, ndatî, U-Tîxo makenje-nje ukubavutûlula ezindlwini zabo, nasekuxelengeni kwabo, bonke abantu abangayi kulimisa elolizwi; mabenjiwe-nje ukuvutûlulwa balambâtê. Lati lonke ibandla, Amen, bamdumisa u-Yehova. Benza-ke abantu ngokwelolizwi.

14 Kananjalo kususela kumhla, endamiselwa ukuba libambâ labo ezweni lakwa-Yuda, nditâbatêla kunyaka wamashumi amabini, ndezisa kunyaka wamashumi amatâtû anamibini ka-Artashashta ukumkani, iyiminyaka elishumi elinamibini, mna nabazalwana bam asidlanga kudla kwabambâ.

15 Ke amabambâ okuqala abepâmbî kwam enza kwanzima ebantwini, atâbatâ kubo isonka ne-wayini, emveni koko atâbatâ amashumi amane e-shekele ze-silvere; kananjalo amadodana akwawo enza ngegunya ebantwini. Ke mna andenjanga njalo ngokoyika u-Tîxo.

16 Kananjalo ndabambâ emsebenzini wolodonga; asitênganga masimi; onke amadodana akwam ayehlanganisene kôna emsebenzini.

17 Ke ama-Yuda, abapâtî, amadoda alikûlu elinamanci mahlanu, kwa nawezayo kutî, evela ezintlangeni ezisijikelezileyo, abe se-tafileni yam.

18 Into ebilungiselelwa imini enye yaba yinkomo, nempahl' emfutshane ekêtîweyo ezintandatû, nentaka, bekusenzelwa mna, nentlobo zonke ezininzi ze-wayini ngentsuku ezilishumi; kulonto andibizanga kudla kwabambâ, ngokuba yayinzima inkonzo pêzu kwabantu.

19 Ndikûmbûlele okulungileyo, Tîxo wam, ngako konke endikwenzele ababantu.

6 Kwatî, kwakuvakala ku-Sanebalati no-Tobiya, naku-Geshem um-Arabi, nakwezinye intshaba zetû, ukuba ndilwakile udonga, akwasala lutânda kulo; (nakuba kwada kwaleloxesha ndingazimisanga ingcango emasangweni);

2 Watûmela kum u-Sanebalati no-Geshem, besitî, Yiza sihlangane komnye we-

Digitized by Google

mizana esesihlanjweni se-One. Bebecinga ukundenza into embî.

3 Ndatûmela abatûnywa kubo, ndatî, Ndenza umsebenzi omkûlu, andinakuhla; yinina ukuba ume umsebenzi-lo ngokutî ndiwuyeke, ndihle ndize kuni?

4 Batûmela kum ngokunjalo izihlandlo zazine, ndabapêndula kwangelolizwi.

5 U-Sanebalati watûmela ngokunjalo kum indodana yakwakê, isihlandlo sesihlanu, inencwadi evulekileyo esandleni sayo;

6 Kubâlwe kuyo, kwatîwa, Kuvakele ezintlangeni, utsho no-Gashemu ukutî, Wena nama-Yuda nicinga ukugwilika; ulwakâ ngenxa yoko udonga olo; unqwenela ukuba ngukumkani wawo, ngokwalomazwi.

7 Kananjalo umise aba-profeti bokumemeza ngawe e-Yerusalem, besitî, Kumkani wama-Yuda! Ngoko-ke kuya kuvakala kukumkani ngokwalomazwi; yiza-ke ngoko sicebisane.

8 Ndatûmela kuye ndatî, Akukô nto injengaleyo uyitêtâyo, iyilonto uyicamngce entliziyweni yakô.

9 Ngokuba bonke bepêla bebesoyikisa, besitî, Izandla zawo ziya kuwuyeka lomsebenzi, ungenziwa, Ngoko, Tîxo, zomeleze izandla zam.

10 Ndaya endlwini ka-Shemaya unyana ka-Delaya, unyana ka-Mehetabeli, evalelwe; watî, Masihlangane endlwini ka-Tîxo, ngapâkatî kwe-tempile, sizivale ingcango ze-tempile-leyo; ngokuba baza kukubulala; ebusuku baya kuza kukubulala.

11 Ndatî, Kubaleke indoda enjengamnje na? yiyipîna enjengam eya kungena etempileni isinde? Andiyi kungena.

12 Ndaqonda, ukuba asingu-Tîxo-lo umtûmileyo; isi-profeto-esi usitêtê ngam ngokuqeshwa ngu-Sanebalati no-Tobiya.

13 Ubeqeshelwe ukuze ndoyike, ndenze lonto, ndone; ndibe negama elibi kubo, ukuze bandingcikive.

14 Bakûmbûle, Tîxo wam, o-Tobiya no-Sanebalati ngokwezozenzo zabo, kwa no-Nowadiya um-profetikazi, nabanye ababaprofeti ababendoyikisa.

15 Lwagqitywa udonga ngomhla wamashumi amabini anesihlanu ka-Eluli, ngemihla emashumi mahlanu anamibini.

16 Kwatî, zakukuva oko intshaba zetû zonke, zoyika zonke intlanga ezisijikelezileyo, zetâ amandla emehlweni azo, zazi ukuba kuvele ku-Tîxo wetû ukwenziwa kwalomsebenzi.

17 Kananjalo ngalomihla abanumzana bakwa-Yuda bandisa incwadi eziya ku-Tobiya, nezika-Tobiya bezisiza kubo.

18 Ngokuba bebe baninzi kwa-Yuda ababemfungele; ngokuba ebe ngumyeni kwa-Shekaniya unyana ka-Ara, no-Yohanan unyana wakê ubezeke intombî ka-Meshulam unyana ka-Berekiya.

19 Kananjalo ukulunga kwakê bebekutêtâ pâmbî kwam, namazwi am bewasa kuye. U-Tobiya watûmela incwadi zokundoyikisa.

7 Kekaloku kwatî, lwakwakîwa udonga, ndazifaka ingcango; bamiswa abamasango nabavumi naba-Levi, ukuba bagcine umsebenzi wabo;

2 Ndamwisela umtêtô u-Hanani umzalwana wam, no-Hananiya umtêtêli wenqaba, nge-Yerusalem; ngokuba ebe yindoda enyanisekileyo, emoyikayo u-Tîxo ngapêzu kwabaninzi.

3 Ndatî kubo, Amasango ase-Yerusalem makangavulwa, lide lifudumale ilanga; batî, besemi *belinda*, bazivale ingcango, bazitshixe; nimise abagcini abangabemi base-Yerusalem, elowo abe selugcinweni lwakê, elowo abe pâmbî kwendlu yakê.

4 Umzi ububanzi ngenxa zombini, umkûlu; abantu bembâlwa pâkatî kwawo, kungakîwanga zindlu.

5 U-Tîxo wam wangenisa entliziyweni yam, ukuba ndibabutê abanumzana, nabapâtî, nabantu, ukuba ndibabâlele emilibeni yokuzalwa. Ndafumana incwadi yemilibo yokuzalwa kwabo babenyuke ekuqaleni; ndafumana kubâliwe kôna kwatîwa:

6 Ngabo aba onyana belizwe *lakwa-Yuda*, abanyukayo kwabatînjiweyo basemfudukeni, awayebafudusile u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ababuyela e-Yerusalem nakwa-Yuda, elowo wabuyela emzini wakowabo;

7 Abeza no-Zerubabeli: ibingu-Yeshuwa, no-Nehemiya, no-Azariya, no-Rahamiya, no-Nahamani, no-Mordekayi, no-Bileshan no-Misperete, no-Bigevayi, no-Nehum, no-Bahana. Inani lamadoda, abantu bakwa-Sirayeli yayileli;

Digitized by Google

8 Onyana baka-Paroshe ibingamawaka amabini, anekûlu elinamanci asixênxe anababini.
9 Onyana baka-Shefatiya ibingamakûlu amatâtû, anamanci asixênxe anababini.
10 Onyana baka-Ara ibingamakûlu amatândatû, anamanci mahlanu anababini.
11 Onyana baka-Pahati wakwa-Mowabi konyana baka-Yeshuwa no-Yowabi ibingamawaka amabini, anamakûlu asibôzo, anashumi linye linesibôzo.
12 Onyana baka-Elam ibiliwaka, elinamakûlu amabini, anamanci mahlanu anabane.
13 Onyana baka-Zatu ibingamakûlu asibôzo anamanci mane anabahlanu.
14 Onyana baka-Zakayi ibingamakûlu asixênxe anamanci matândatû.
15 Onyana baka-Binwi ibingamakûlu amatândatû, anamanci mane anesibôzo.
16 Onyana baka-Bebayi ibingamakûlu amatândatû, anamanci mabini anesibôzo.
17 Onyana baka-Azeyadi ibingamawaka amabini, anamakûlu matâtû, anamanci mabini anababini.
18 Onyana baka-Adonikam ibingamakûlu amatândatû, anamanci matândatû anesixênxe.
19 Onyana baka-Bigevayi ibingamawaka amabini, anamanci matândatû nesixênxe.
20 Onyana baka-Adin ibingamakûlu amatândatû, anamanci mahlanu anabahlanu.
21 Onyana baka-Atere ka-Hezekiya ibingamashumi asitôba anesibôzo.
22 Onyana baka-Hashum ibingamakûlu amatâtû, anamanci mabini anesibôzo.
23 Onyana baka-Betsayi ibingamakûlu amatâtû, anamanci mabini anabane.
24 Onyana baka-Harifi ibilikûlu, elinashumi linye linababini.
25 Onyana base-Gibeyon ibingamashumi asitôba anabahlanu.
26 Amadoda ase-Betelehem nase-Netofa ibilikûlu, elinamanci asibôzo anesibôzo.
27 Amadoda ase-Anatoti ibilikûlu, elinamanci mabini anesibôzo.
28 Amadoda ase-Bete-azemavete ibingamashumi amane anamabini.
29 Amadoda ase-Kiriyati-yeharim ne-Kefira ne-Beroti ibingamakûlu asixênxe, anamanci mane anamatâtû.
30 Amadoda ase-Rama ne-Gaba ibingamakûlu amatândatû, anamanci mabini ananye.
31 Amadoda ase-Mikimas ibilikûlu, elinamanci mabini anamabini.
32 Amadoda ase-Beteli ne-Ayi ibilikûlu, elinamanci mabini anamatâtû.
33 Amadoda enye i-Nebo ibingamashumi amahlanu anamabini.
34 Onyana bomnye u-Elam ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci mahlanu anabane.
35 Onyana baka-Harim ibingamakûlu amatâtû, anamanci mabini.
36 Onyana base-Yeriko ibingamakûlu amatâtû, anamanci mane anabahlanu.
37 Onyana base-Lodi ne-Hadidi ne-Ono ibingamakûlu asixênxe, anamanci mabini anamnye.
38 Onyana base-Senaha ibingamawaka amatâtû, anamakûlu asitôba, anamanci matâtû.
39 Abenzeleleli: onyana baka-Yedaya bendlu ka-Yeshuwa ibingamakûlu asitôba, anamanci asixênxe anabatâtû.
40 Onyana baka-Imere ibiliwaka, elinamanci mahlanu anababini.
41 Onyana baka-Pashure ibiliwaka elinamakûlu amabini, anamanci mane anesixênxe.
42 Onyana baka-Harim ibi-liwaka, elinashumi linye linesixênxe.
43 Aba-Levi: onyana baka-Yeshuwa no-Kademiyeli, konyana baka-Hodeva, ibingamashumi asixênxe anabane.
44 Imvumi: onyana baka-Asafu ibilikûlu, elinamanci mane anesibôzo.
45 Abamasango: onyana baka-Shalum, onyana baka-Atere, onyana baka-Talemon, onyana baka-Akubi, onyana baka-Hatita, onyana baka-Shobayi, ibilikûlu, elinamanci matâtû anesibôzo.
46 Abakônzi be-tempile: onyana baka-Tsiha, onyana baka-Hasufa, onyana baka-Tabahoti,
47 Onyana baka-Kerosi, onyana baka-Siha, onyana baka-Padon,
48 Onyana baka-Lebana, onyana baka-Hagaba, onyana baka-Salemavi,
49 Onyana baka-Hanan, onyana baka-Gidele, onyana baka-Gahare,
50 Onyana baka-Rehaya, onyana baka-Retsin, onyana baka-Nekoda,
51 Onyana baka-Gazam, onyana baka-Uza, onyana baka-Paseha,

Digitized by Google

52 Onyana baka-Besayi, onyana baka-Mehunim, onyana baka-Nefishesim,
53 Onyana baka-Bakebuki, onyana baka-Hakufa, onyana baka-Harehure,
54 Onyana baka-Batseliti, onyana baka-Mehida, onyana baka-Harsha,
55 Onyana baka-Barkosi, onyana baka-Sisera, onyana baka-Tama,
56 Onyana baka-Netsiha, onyana baka-Hatifa,
57 Onyana babakôzi baka-Solomon, onyana baka-Sotayi, onyana baka-Soferete, onyana baka-Perida,
58 Onyana baka-Yahala, onyana baka-Darkon, onyana baka-Gidele,
59 Onyana baka-Shefatiya, onyana baka-Hatili, onyana baka-Pokerete-tsebayim, onyana baka-Amon.
60 Bonke abakôzi be-tempile nonyana babakôzi baka-Solomon ibingamakûlu amatâtû, anamanci asitôba anababini.
61 Ngabo abenyuka bevela e-Telemela nase-Tele-harsha nase-Kerubi-adonimere, ke ababanga nakuzixela indlu zoyise nomnombô wabo, ukuba ngabakwa-Sirayeli-na.
62 Onyana baka-Delaya, onyana baka-Tobiya, onyana baka-Nekoda, bebe ngamakûlu omatândatû, anamanci mane anababini.
63 Ke kubenzeleleli: onyana baka-Habaya, onyana baka-Hakotse, onyana baka-Bar-zilayi, owazeka umfazi ezintombîni zika-Bar-zilayi wase-Giliyadi, wabizwa ngegama lazo.
64 Abo bakufuna ukubâlwa kwabo kwababâlelwayo emilibeni yokuzalwa, abakufumana; bancôla-ke ababi sebenzelelelini.
65 I-fuluneli yatî kubo, mabangadli nto kwezingcwele kanye, kude kuvele umenzeleleli ene-Urim ne-Tumim.
66 Lonke ibandla lindawo-nye ibingamawaka angamashumi amane anamabini, anamakûlu matâtû, anamanci matândatû;
67 Bebodwa abakôzi babo aba nabakônzazana babo aba, bengamawaka asixênxe, anamakûlu amatâtû, anamanci matâtû anesixênxe; benemvumi nemvumikazi ezingamakûlu amabini, anamanci mane anantlanu.
68 Amahashe abo ibingamakûlu asixênxe, anamanci matâtû anamatândatû; ondlebende babo ibingamakûlu amabini, anamanci mane anabahlanu;
69 In-kamela ibingamakûlu amane, anamanci matâtû anantlanu; ama-esile ibingamawaka amatândatû, anamakûlu asixênxe anamanci mabini.
70 Inxenye yentloko zezindlu zoyise yanikela emsebenzini. I-fuluneli yanikela ebuncwaneni i-golide eliwaka le-darike, namashumi amahlanu ezitya zokutshiza, namashumi matâtû engubo zangapântsi zabenzeleleli, *ne-silvere* yangamawaka amahlanu *e-mina*.
71 Inxenye yentloko zezindlu zoyise yanikela ebuncwaneni bomsebenzi i-golide engamawaka amashumi amabini e-darike, nesilvere engamawaka amabini anamakûlu amabini e-mina.
72 Okwanikwayo ngabanye abantu ibiyi-golide engamawaka amashumi amabini e-darike, ne-silvere engamawaka amabini, namashumi amatândatû anesixênxe engubo zangapântsi zabenzeleleli.
73 Bahlala-ke abenzeleleli, naba-Levi, nabamasango, nabavumi, nenxenye yabantu, nabakôzi be-tempile, nama-Sirayeli onke emizini yakomawabo.

Itê yakufika inyanga yesixênxe, onyana baka-Sirayeli besemizini yakomawabo.

8 Bahlangana bonke abantu njengamntu mnye endaweni yembûtô epâmbî kwesango lamanzi, bati ku-Ezra umbâli, makêzise incwadi yomyalelo ka-Moses, awawumiselayo u-Yehova kuma-Sirayeli.
2 U-Ezra umenzeleleli wawuzisa umyalelo pâmbî kwebandla-elo, litâbatêle kwindoda lesa kumfazi, nakubo bonke abanokuva baqonde, ngomhla wokuqala wenyanga yesixênxe.
3 Walesa kuwo pâmbî kwendawo yembûtô epâmbî kwesango lamanzi, eqale ekuseni, kwada kwasemin' enkulu, pâmbî kwamadoda nabafazi, nabasebe nokuqonda; indlebe zabantu bonke zapûlapûla loncwadi yomyalelo.
4 Wema-ke u-Ezra umbâli esikŵelweni somtî, abebesenzele lonto. Kwema ngakuye u-Matitiya, no-Shema, no-Anaya, no-Uriya, no-Hilekiya, no-Mahaseya, ngasekunene kwakê; ngasekohlo yangu-Pedaya, no-Mishayeli, no-Malekiya, no-Hashum, no-Hashebadana, no-Zekariya, no-Meshulam.
5 U-Ezra wayivula incwadi emehlweni abantu bonke; (ngokuba wayebapâkame-

Digitized by Google

le abantu bonke); akuyivula, bema abantu bonke;

6 U-Ezra wambonga u-Yehova, u-Tixo omkûlu. Bapêndula bonke abantu, batî, Amen, amen; bepâkamisa izandla zabo, batôba baqubuda ku-Yehova, bebêkise ubuso *babo* emhlabeni.

7 O-Yeshuwa, no-Bani, no-Sherebiya, no-Yamin, no-Akubi, no-Shabetayi, no-Hodiya, no-Mahaseya, no-Kelita, no-Azariya, no-Yozabadi, no-Hanan, no-Pelaya, naba-Levi, babaqondisa abantu umyalelo, abantu bemi endaweni zabo.

8 Balesa encwadini, emyalelweni ka-Tixo ngokucacileyo, bebaqononondisa; bakuqonda-ke ukulesa oku.

9 Watî u-Nehemiya oyi-ŧuluneli, no-Ezra umenzeleleli umbâli, naba-Levi abaqondisa abantu, ebantwini bonke, Lemini ingcwele ku-Yehova u-Tixo wetû; musan' ukwenza isijwili, musan' ukulila. Ngokuba babelila bonke abantu, bakuweva amazwi omyalelo-lowo.

10 Watî kubo, Yiyani, nidle amanqatâ, nisele into ezinencasa, nise isabelo kwabangalungiselwanga nto; ngokuba lemini ingcwele kwi-Nkosi yetû; musan' ukuba buhlungu; ngokuba uvuyo luka-Yehova ligwiba lenu.

11 Naba-Levi babebatûtûzela abantu bonke besitî, Yitîni-tu; ngokuba lemini ingcwele; musan' ukuba buhlungu.

12 Besuka bonke abantu, baya kudla, basela, batûma izabelo, bavuya kakûlu; ngokuba bawaqonda amazwi ababewaxelelwa.

13 Ngomhla wesibini kwahlanganisana intloko zezindlu zoyise zabantu bonke, nezabenzeleleli, nezaba-Levi, zeza kuwaqiqa ku-Ezra umbâli amazwi omyalelo,

14 Bafumana kubâliwe emyalelweni, awawumisela u-Yehova ngo-Moses, wokutî onyana baka-Sirayeli mabahlale eminquben ngomtêndeleko wenyanga yesixênxe;

15 Nokutî mabavakalise bahambîse izwi emizini yabo yonke, nase-Yerusalem, lokutî, Pûmani niye ezintabeni, nize namahlamvu eminquma, namahlamvu eminquma yasendle, namahlamvu emi-mirtile, namahlamvu esundu, namahlamvu emitî etê-shinyi, ukuze kwenziwe iminquba ngoko kubâliweyo.

16 Bapûma abantu, bawazisa, bazenzela iminquba, elowo pêzu kwendlu yakê, nasezintendelezweni zabo, nasezintendelezweni zendlu ka-Tixo, nasendaweni yembûtô yesango lamanzi, nasendaweni yembûtô yesango lika-Efrayim.

17 Lonke ibandla elalibuye ekutînjweni lenza iminquba, lahlala eminqubeni; ngokuba onyana baka-Sirayeli bebengenzanga ngokunjalo kususela kwimihla ka-Yoshuwa unyana ka-Nun, kwada kwayilomini. Kwabakô-ke uvuyo olukûlu kunene.

18 Kwaleswa encwadini yomyalelo ka-Tixo imihla ngemihla, kwatâbatêla kumhla wokuqala, kwezisa kumhla wokugqibela. Benza umtêndeleko imihla yasixênxe; ngomhla wesibôzo yayingqungqutêla ngokwesiko.

9 Kekaloku ngomhla wamashumi amabini anesine walonyanga bahlanganisana onyana baka-Sirayeli, bezila ukudla, benengubo ezifwexayo, bezigalele umhlaba.

2 Yazahlula imbêwu ka-Sirayeli konyana bonke bolunye uhlanga, bema bazixela izono zabo nobugwenxa boyise.

3 Bema endaweni yabo, belesa encwadini yomyalelo ka-Yehova u-Tixo wabo, isahlulo sesine semini; *esinye* isahlulo sesine bexela izono zabo, bequbuda ku-Yehova u-Tixo wabo.

4 Benyuka bema esikwelweni saba-Levi o-Yeshuwa, no-Bani, no-Kademiyeli, no-Shebaniya, no-Buni, no-Sherebiya, no-Bani, no-Kenani, bamemeza ngezwi elikûlu ku-Yehova u-Tixo wabo.

5 Batî aba-Levi o-Yeshuwa, no-Kademiyeli, no-Bani, no-Hashabeneya, no-Sherebiya, no-Hodiya, no-Shebaniya, no-Petaya, Suk'umani, bongani u-Yehova u-Tixo wenu, kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni; malibongwe igama lobuqaqauli bakô, elikupâkameleyo konke ukubonga nokudumisa.

6 Wena ungu-Yehova wedwa, wena wenza izulu, izulu lawo amazulu, nomkôsi wawo wonke, umhlaba nento yonke epezu kwawo, ilwandle nento zonke ezikôna, uzidlisa ubomi zonke ezonto, umkôsi wezulu uqubuda kuwe.

7 Wena ungu-Yehova, u-Tixo owanyula u-Abraham, wamkûpâ e-Ure yama-Kaledi, wamtiya igama elingu-Abraham;

8 Wayifumana intliziyo yakê inyanisekile pâmbî kwakô, wenza naye umnqophso wokulinika ilizwe lama-Kanan, nama-

Digitized by Google

Heti, nama-Amori, nama-Perizi, nama-Yebusi, nama-Girgashi, wokulinika imbêwu yakê, wawamisa-ke amazwi akô; ngokuba ulilungisa.

9 Wabona intsizi zobawo e-Yiputa, wakuva ukukâla kwabo e-Lwandle olubomvu;

10 Wenza imiqondiso nezimanga ku-Faro, nakubakonzi bakê bonke, nakubantu bonke belizwe lakê; ngokuba ubusazi ukuba babe bakûkûmalele, wazenzela igama njengoko kunjalo namhla;

11 Walwahlula u-Lwandle pâmbî kwabo; bawela e-Lwandle komile, abasukeli babo wabazulumbêla ezinzulwini njengelitye emanzini anamandla;

12 Wabakôkela ngomqulu welifu emini, nangomqulu womlilo ebusuku, ukuba ubakânyisele indlela ababehambâ ngayo.

13 Wehla pêzu kwentaba ye-Sinayi, watêtâ nabo uvela ezulwini, wabanika amasiko atê-tye, nemiyalelo eyinyaniso, nemimiselo nemitêtô elungileyo;

14 Wabazisa i-sabatâ yakô engcwele, wabamisela imitêtô, nemiiniselo, nomyalelo, ngesandla sika-Moses umkônzi wakô;

15 Wabanika isonka sasezulwini ngenxa yokulambâ kwabo, wabavelisela namanzi engxondoreni ngenxa yokunxanwa kwabo; watî kubo, mabaye kulihlutâ ilizwe, owabapâkamisela isandla sakô, ukuba wobanika lona.

16 Ke bona obawo bakûkûmala, bazenza lukûni intamo zabo, abayipûlapûla imitêtô yakô;

17 Abavuma ukuva, abayikumbûla imisebenzi yakô ebalulekileyo owayenzayo kubo; bazenza lukûni intamo zabo, bamisa intloko, ukuba babuyele ebukôbokeni babo ngenkani zabo; wena watî, kuba ungu-Tîxo wokuxolela, ubabala, unemfesane, uzeka kade umsindo, umninzi ngenceba, akwabashiya.

18 Noko-ke bazenzela itôle elingumfanekiso otŷidiweyo, batî, Nguye lo u-Tîxo wakô owakunyusayo e-Yiputa, bakugiba kakûlu:

19 Ke wena ngemfesane zakô ezinkulu akubashiyanga entlango; umqulu welifu wokubakôkela ngendlela awumkanga kubo emini, nomqulu womlilo ebusuku wokubakânyisela indlela ababehambâ ngayo.

20 Wabanika umoya wakô olungileyo, ukuba ubaqononondise; akuwuvimbânga umlomo wabo i-mana yakô, wabanika amanzi ngenxa yenxano labo.

21 Iminyaka emashumi mane wabafunzela entlango, abaswela nto; ingubo zabo azonakalanga budala, inyawo zabo azidumbânga.

22 Wabanika izikumkani nezizwe, wabahlulahlula ngokwemida yabo; balihlutâ ilizwe lakwa-Sihon, ilizwe lokumkani wase-Heshbon, kwa nelizwe lika-Ogi ukumkani wase-Bashan.

23 Wabandisa onyana babo njengenkwenkwezi zezulu; wabazisa kwelizwe, watî koyise, mabaze balihlutê.

24 Bangena-ke onyana abo, balihlutâ ilizwe-elo; wabatôba pâmbî kwabo abemi belizwe ama-Kanan, wawanikela ezandleni zabo, okumkani bawo nezizwe zelizwe-elo, ukuba benze kuzo ngokuzitândela kwabo.

25 Bayitîmbâ imizi enqatyisiweyo nomhlaba otyebileyo; bahlutâ izindlu zizele zizinto zonke ezintle, amaqula ambîweyo, nezi-diliya, nezinquma, nemitî edliwayo yamininzi. Badla bahlutâ, batyeba, baziyolisa ngokulunga kwakô okukûlu.

26 Besuka bapîka, bagwilika kuwe, bawupôsa umyalelo wakô emva komhlana wabo, bababulala aba-profeti bakô ababenqîna kubo, ukuba bababuyisele kuwe; bakugiba kakûlu.

27 Wabanikela ezandleni zababandezeli babo, bababandezela; ngexesha lokubandezelwa kwabo bakâla kuwe; wena weva usezulwini, wabanika abasindisi ngokwemfesane zakô ezinkulu, babasindisa ezandleni zababandezeli babo.

28 Bakuba nokupûmla, babuya benza okubi pâmbî kwakô; wabashiya ezandleni zentshaba zabo, zabanyatêla. Babuya bakâla kuwe; wena weva usezulwini; wabahlangula ngokwemfesane zakô amaxesha amaninzi;

29 Wanqîna ngabo, ukuba ubabuyisele emyalelweni wakô; ke bona bakûkûmala, abayipûlapûla imitêtô yakô; amasiko akô bŏna kuwo, awotî umntu owenzayo apîle ngawo; bamangala negxalaba, bazenza lukûni intamo zabo, ababûlapûla.

30 Wabatŵala iminyaka emininzi, wanqîna ngabo ngomoya wakô, ngaba-profeti bakô; abakubekela ndlebe; wabanikela-ke ezandleni zezizwe zamazwe.

31 Ke ngemfesane zakô ezinkulu akubagqibanga kupêle, akubashiyanga; ngokuba ungu-Tîxo onobabalo nemfesane.

Digitized by Google

32 Kaloku, Tixo wetu, Tixo omkulu, oligofa, owoyikekayo, ogcina umnqopiso nenceba, mayingabi ncinane pambi kwako yonke indiniso esiyifumeneyo tina, nokumkani betu, nabateteli betu, nabenzeleleli betu, naba-profeti betu, nobawo, nabantu bako bonke, kususela kwimihla yokumkani bakwa-Asuri kude kube yilemini.

33 Ulilungisa entweni yonke esifikeleyo; ngokuba wena wenze inyaniso, ke tina senze okungendawo.

34 Okumkani betu, nabateteli betu, nabenzeleleli betu, nobawo, abawenzanga umyalelo wako, abazibazanga indlebe emitetweni yako nasezinqinweni zako, owanqina ngazo ngabo.

35 Bona ebukumkanini babo, ekulungeni kwako okukulu owabanikayo, ezweni elibanzi elityebileyo owabanikayo, abakukonzanga, ababuyanga ezenzweni zabo ezibi.

36 Yabona, singabakonzi namhla, nelizwe owalinika obawo, ukuba sidle iziqamo zalo nokulunga kwalo; nanku singabakonzi kulo.

37 Ungeniselo lwalo lilwandisela okumkani, owabamisa pezu kwetu ngenxa yezono zetu; bayayilaula imizimba yetu nenkomo zetu ngokuzitandela kwabo; sisembandezelweni enkulu.

38 Ngezozinto zonke senza sabala umnqopiso wenene; bawutywina abateteli betu, naba-Levi betu, nabenzeleleli betu.

10 Abo-ke bawutywinayo: ngu-Nehemiya i-filuneli, unyana ka-Hakaliya, no-Tsedekiya,

2 No-Seraya, no-Azariya, no-Yeremiya,

3 No-Pashure, no-Amariya, no-Malekiya,

4 No-Hatushe, no-Shebaniya, no-Maluki,

5 No-Harim, no-Meremoti, no-Obadiya,

6 No-Daniyeli, no-Gineton, no-Baruki,

7 No-Meshulam, no-Abiya, no-Miyamin,

8 No-Mahazeya, no-Bilegayi, no-Shemaya, abo ngabenzeleleli.

9 Aba-Levi ngu-Yeshuwa unyana ka-Azaniya, no-Binwi konyana baka-Henadade, no-Kademiyeli,

10 Nabazalwana babo: ngu-Shebaniya, no-Hodiya, no-Kelita, no-Pelaya, no-Hanan,

11 No-Mika, no-Rehobi, no-Hashabiya,

12 No-Zakure, no-Sherebiya, no-Shebaniya,

13 No-Hodiya, no-Bani, no-Beninu.

14 Intloko zabantu ngu-Paroshe, no-Pahati wakwa-Mowabi, no-Elam, no-Zatu, no-Bani,

15 No-Buni, no-Azegadi, no-Bebayi,

16 No-Adoniya, no-Bigvayi, no-Adin,

17 No-Atere, no-Hizekiya, no-Azure,

18 No-Hodiya, no-Hashum, no-Betsayi,

19 No-Harifi, no-Anatoti, no-Nebayi,

20 No-Magepihashe no-Meshulam, no-Hezire,

21 No-Meshezabeli, no-Tsadoki, no-Yaduwa,

22 No-Pelatiya, no-Hanan, no-Anaya,

23 No-Hosheya, no-Hananiya, no-Hashubi,

24 No-Haloheshe, no-Pileha, no-Shobeki,

25 No-Rehum, no-Hashabena, no-Maaseya,

26 No-Ahiya, no-Hanan, no-Anan,

27 No-Maluki, no-Harim, no-Baana.

28 Abanye abantu abenzeleleli, naba-Levi, nabamasango, nabavumi, nabakonzi be-tempile, nabo bonke ababezahlule kwizizwe zamazwe, beza emyalelweni ka-Tixo; abafazi babo, nonyana babo, nentombi zabo, bonke abasebe nokwazi nokuqonda;

29 Babambelela kubazalwana babo, ingangamsha zabo, bangena esiqalekisweni nasesifungweni sokuhamba ngomyalelo ka-Tixo, owawiswa ngesandla sika-Moses umkonzi ka-Tixo, nokuyigcina nokuyenza yonke imiteto ka-Yehova i-Nkosi yetu, namasiko ake nemimiselo yake:

30 Singazendiseli intombi zetu kwizizwe zelilizwe, singabazekeli onyana betu intombi zazo;

31 Siti izizwe zelilizwe ezizisa izinto zentengo nenqolowa nokuba yiyipi ngemini ye-sabata zitengisa, singatengi kuzo ngesabata nangomhla ongcwele; siwuyeke ulalo umnyaka wesixenxe, nento ebolekiweyo sisandla nokuba sesikabani.

32 Sizimisele imiteto yokubeka pezu kwetu isahlulo sesitatu se-shekele ngonyaka, ngenxa yenkonzo yendlu ka-Tixo wetu:

33 Ngenxa yezonka ezicwangcisiweyo, nomnikelo wokudla wamaxesha onke, nangenxa yedini elinyukayo lamaxesha o-

Digitized by Google

nke, nele-sabatâ, nelokutŵasa kwenyanga, nangenxa yamaxesha amisiweyo, nangenxa yezinto ezingcwele, nangenxa yamadini ezono okucamagushela ama-Sirayeli, nomsebenzi wonke wendlu ka-Tîxo wetû.

34 Sibawisele amaqashiso ngomsondezo wenkuni, abenzeleleli, naba-Levi, nabantu, ukuba ziziswe endlwini ka-Tîxo wetû ngokwezindlu zetû zoyise ngamaxesha amisiweyo, iminyaka ngeminyaka, ukuba zibaswe esibingelelweni sika-Yehova u-Tîxo wetû, ngoko kubâliweyo emyalelweni;

35 Sizise intlahlela zomhlaba wetû, nentlahlela zeziqâmo zonke zemitî yonke, iminyaka ngeminyaka, endlwini ka-Yehova;

36 Nabamazibulo konyana betû nawemfuyo yetû ngoko kubâliweyo emyalelweni, namazibulo enkomo zetû, nawempahl' emfutshane siwazise endlwini ka-Tîxo wetû, kubenzeleleli abalungiselelayo endlwini ka-Tîxo wetû;

37 Nentlahlela zemifayo yetû, nemifumo yetû, neziqâmo zemitî yonke, i-wayini entsha, ne-oli, sizizise kubenzeleleli ezikambîlini zendlu ka-Tîxo wetû; nezishumi zemihlaba yetu kuba-Levi; bona aba-Levi bazamkele izishumi emizini yonke esilima kuyo.

38 Umenzeleleli unyana ka-Aron abekô naba-Levi ekuzamkeleni kwaba-Levi izishumi; bazinyuse aba-Levi izishumi zezishumi ezo, bazizise endlwini ka-Tîxo wetû, ezi-kambîlini zendlu yobuncwane;

39 Ngokuba onyana baka-Sirayeli nonyana baka-Levi baya kuzisa umfumo wenqôlowa, ne-wayini entsha, ne-oli, ezi-kambîlini apô zikôna impahla ezingcwele, nabenzeleleli abalungiselelayo, nabamasango, nabavumi; indlu ka-Tîxo wetû singayishiyi.

11 Bahlala abatêtêli babantu e-Yerusalem; abanye abantu bawisa amaqashiso, ukuba kungeniswe abe mnye kwabalishumi, ahlale e-Yerusalem kuwo umzi ongcwele, nezinye izahlulo ezisitôba zihlale kweminye imizi.

2 Abantu bawasikelela amadoda onke aqûtywa yintliziyo ukuba ahlale e-Yerusalem.

3 Zizo ezi intloko zelizwe *lakwa-Yuda*, ezahlala e-Yerusalem; ke emizini yakwa-Yuda, yaba ngulowo wahlala elifeni lake, emizini yabo, ingama-Sirayeli, nabenzeleleli, naba-Levi, nabakônzi be-tempile, nonyana babakônzi baka-Solomon.

4 E-Yerusalem kwahlala ezonyana baka-Yuda nezonyana baka-Benyamin. Konyana baka-Yuda: yangu-Ataya unyana ka-Uziya, unyana ka-Zekariya, unyana ka-Amariya, unyana ka-Shefatiya, unyana ka-Mahalaleli konyana baka-Peretse;

5 No-Mahaseya, unyana ka-Baruki, unyana ka-Koli-hoze, unyana ka-Hazaya, unyana ka-Adaya, unyana ka-Yoyaribi, unyana ka-Zekariya, unyana wom-Sheloni.

6 Bonke onyana baka-Peretse, ababehlala e-Yerusalem, ibingamakûlu amane, anamanci matândatû anesibôzo, amadoda anoburoti.

7 Ngabo aba onyana baka-Benyamin: ibingu-Salu unyana ka-Meshulam, unyana ka-Yohedi, unyana ka-Pedaya, unyana ka-Kolaya, unyana ka-Mahaseya, unyana ka-Itiyeli, unyana ka-Yesaya.

8 Emva kwakê ibingu-Gabayi-salayi, enamakûlu asitôba, anamanci mabini anesibôzo;

9 No-Yoweli unyana ka-Zikri, umpâtî kubo, no-Yuda unyana ka-Senwa engowesibini kubapâtî bomzi.

10 Kubenzeleleli: ibingu-Yedaya unyana ka-Yoyaribi, no-Yakin.

11 U-Seraya unyana ka-Hilekiya, unyana ka-Meshulam, unyana ka-Tsadoki, unyana ka-Merayoti, unyana ka-Ahitubi, ubeyingânga yendlu ka-Tîxo;

12 Nabazalwana babo ababesenza umsebenzi wendlu babe ngamakûlu asibôzo, anamanci mabini anababini; no-Adaya unyana ka-Yeroham, unyana ka-Pelaleya, unyana ka-Amtsi, unyana ka-Zekariya, unyana ka-Pashure, unyana ka-Malekiya,

13 Nabazalwana bakê, intloko zezindlu zoyise, bebe ngamakûlu amabini, anamanci mane anababini; no-Amashesayi unyana ka-Azareli, unyana ka-Azayi, unyana ka-Meshilemoti, unyana ka-Imere.

14 Nabazalwana babo, amagofa anoburoti ibilikûlu elinamanci mabini anesibôzo; umpâtî kubo ibingu-Zabediyeli unyana ka-Gedolim.

15 Kuba-Levi: ibingu-Shemaya unyana ka-Hashubi, unyana ka-Azarikam, unyana ka-Hashabiya, unyana ka-Buni,

16 No-Shabetayi, no-Yozabadi, ababe-

Digitized by Google

pêtê umsebenzi ongapândle wendlu ka-Tixo, kwintloko zaba-Levi;
17 No-Mataniya unyana ka-Mika, unyana ka-Zabedi, unyana ka-Asafu, obe ngumhlabeli wezakudumisa, emtândazweni, no-Bakebukiya obe ngowesibini kubazalwana bakê, no-Abeda unyana ka-Shamuwa, unyana ka-Galali, unyana ka-Yedutun.
18 Bebonke aba-Levi emzini ongcwele bebe ngamakûlu amabini, anamanci asibôzo anabane.
19 Abamasango: ibingu-Akubi, no-Talemon, nabazalwana babo abagcina amasango, belikûlu elinamanci asixênxe anababini.
20 Amanye ama-Sirayeli, nabenzeleleli, naba-Levi, bebe kweminye imizi yonke yakwa-Yuda, elowo eselifeni lakê.
21 Ke abakônzi be-tempile bebehlala e-Ofele, abakônzi abo be-tempile bebepêtwe ngu-Tsiha no-Gishpa.
22 Umpâti waba-Levi e-Yerusalem ibingu-Uzi unyana ka-Bani, unyana ka-Hashabiya, unyana ka-Mataniya, unyana ka-Mika konyana baka-Asafu, imvumi, malunga nomsebenzi wendlu ka-Tixo.
23 Ngokuba umtêtô wokumkani ubupêzu kwabo, nomnqopiso wenene ubupêzu kwemvumi malunga nento yemini ngangemini yayo.
24 U-Petaya unyana ka-Meshezabeli, konyana baka-Zera, unyana ka-Yuda, ube sisandla sokumkani ezintweni zonke zabantu.
25 E-lalini ezisemapândleni azo kwahlala inxenye yonyana baka-Yuda e-Kiriyati ka-Arba namagxamesi ayo, nase-Dibon namagxamesi ayo, nase-Kabetseli ne-lali zayo;
26 Nase-Yeshuwa, nase-Molada, nase-Bete-palete,
27 Nase-Hatsore-shuwali, nase-Bersheba namagxamesi ayo,
28 Nase-Tsikelage, nase-Mekona namagxamesi ayo;
29 Nase-En-rimon, nase-Tsora, nase-Yarmuti;
30 Nase-Zanowa, nase-Adulam namagxamesi ayo, nase-Lakishe nasemapândleni ayo, nase-Azeka namagxamesi ayo. Bahlala-ke, batâbatêla e-Ber-sheba, besa emfuleni wakwa-Hinom.
31 Onyana baka-Benyamin batâbatêla e-Geba, besa e-Mikimas, nase-Aya, nase-Beteli namagxamesi ayo;
32 Nase-Anatoti, nase-Nobi, nase-Ananiya;
33 Nase-Hatsore, nase-Rama, nase-Gitayim,
34 Nase-Hadidi, nase-Tseboyim, nase-Nebalati,
35 Nase-Lode, nase-Ono emfuleni wencîbi.
36 Nakuba-Levi kwapûma amaqela kwa-Yuda, eza kwa-Benyamin.

12 Ngabo aba abenzeleleli naba-Levi, abenyuka no-Zerubabeli unyana ka-Shelatiyeli, no-Yeshuwa: ibingu-Seraya, no-Yeremiya, no-Ezra,
2 No-Amariya, no-Maluki, no-Hatushe,
3 No-Shekaniya, no-Rehum, no-Meremoti,
4 No-Ido, no-Ginetohi, no-Abiya,
5 No-Miyamin, no-Mahadiya, no-Bilega,
6 No-Shemaya, no-Yoyaribi, no-Yedaya,
7 No-Salu, no-Amoki, no-Hilekiya, no-Yedaya. Abo ibizintloko zabenzeleleli nabazalwana babo emihleni ka-Yeshuwa.
8 Aba-Levi: ibingu-Yeshuwa, no-Binwi, no-Kademiyeli, no-Sherebiya, no-Yuda, no-Mataniya obepêtê imibulelo, yena nabazalwana bakê;
9 No-Bakebukiya, no-Uni; abazalwana babo bemalunga nabo besezigxineni.
10 Ke u-Yeshuwa wazala u-Yoyakim; u-Yoyakim wazala u-Eliyashibi; u-Eliyashibi wazala u-Yoyada;
11 U-Yoyada wazala u-Yonatan; u-Yonatan wazala u-Yaduwa.
12 Ke emihleni ka-Yoyakim bekukô abenzeleleli abazintloko zezindlu zoyise, oka-Seraya ingu-Meraya; oka-Yeremiya ingu-Hananiya;
13 Oka-Ezra ingu-Meshulam; oka-Amariya ingu-Yohanan;
14 Oka-Meliku ingu-Yonatan; oka-Shebaniya ingu-Yosefu;
15 Oka-Harim ingu-Adena; oka-Merayoti ingu-Helekayi;
16 Oka-Ido ingu-Zekariya; oka-Gineton ingu-Meshulam;
17 Oka-Abiya ingu-Zikri; oka-Miyamin, oka-Mowadiya ingu-Piletayi;
18 Oka-Bilega ingu-Shamuwa; oka-Shemaya ingu-Yonatan;
19 Oka-Yoyaribi ingu-Matenayi; oka-Yedaya ingu-Uzi;

Digitized by Google

20 Oka-Salayi ingu-Kalayi; oka-Amoki ingu-Ebere;
21 Oka-Hilekiya ingu-Hashabiya; oka-Yedaya ingu-Nataniyeli.
22 Malunga naba-Levi ngemihla ka-Eliyashibi, no-Yoyada, no-Yohanan, no-Yaduwa kwabâlwa intloko zezindlu zoyise, ezabenzeleleli ebukumkanini buka-Dariyo um-Persi.
23 Onyana baka-Levi, intloko zezindlu zoyise, bebebâlwa encwadini yemicimbi yemihla; kweza nasemihleni ka-Yohanan unyana ka-Eliyashibi.
24 Ke intloko zaba-Levi ibingu-Hashabiya, no-Sherebiya, no-Yeshuwa unyana ka-Kademiyeli, nabazalwana babo malungana nabo, ukuba badumise babulele, ngomtêtô ka-Davide umfo wakwa-Tixo, iqela lilunge neqela; ingu-Mataniya, no-Bakebukiya, no-Obadiya.
25 O-Meshulam, no-Talemon, no-Akubi bebe ngabamasango, begcina izigxina kovimbâ bamasango.
26 Abo bebekô emihleni ka-Yoyakim unyana ka-Yeshuwa, unyana ka-Yotsadaki, nasemihleni ka-Nehemiya ibambâ, no-Ezra umenzeleleli, umbâli.

27 Kekaloku ekusungulweni kodonga lwe-Yerusalem kwafunwa aba-Levi eziudaweni zabo zonke, ukuba baziswe e-Yerusalem, ukuba ukusungulwa kwawo kwenziwe ngovuyo, nangemibulelo, nangengoma, nangamacangci nangemifubê, nangehadi.
28 Bahlanganisana onyana bemvumi, bevela kulommandla ujikeleze i-Yerusalem nasezi-lalini zama-Netofa;
29 Nase-Bete yase-Giligali, nasemihlabeni yase-Geba ne-Azemavete; ngokuba imvumi zazizakêle i-lali ezijikeleze i-Yerusalem.
30 Bazihlambûlula abenzeleleli naba-Levi, bahlambûlula abantu, namasango, nodonga olo.
31 Ndabanyusa abatêtêli bakwa-Yuda pêzu kodonga, ndamisa amaqela amakûlu amabini okubulela enza imityino, elinye lasinga ekunene pêzu kodonga esangweni lenkunkuma.
32 Emva kwalo kwahambâ u-Hoshaya nesiqingatâ sabatêtêli bakwa-Yuda,
33 No-Azariya, no-Ezra, no-Meshulam,
34 No-Yuda, no-Benyamin, no-Shemaya, no-Yeremiya.
35 Konyana babenzeleleli benamaxilongo yayingu-Zekariya unyana ka-Yonatan, unyana ka-Shemaya, unyana ka-Matanya, unyana ka-Mikaya, unyana ka-Zakure, unyana ka-Asafu;
36 Nabazalwana bake: o-Shemaya, no-Azareli, no-Milalayi, no-Gilalayi, no-Mahayi, no-Nataniyeli, no-Yuda, no-Hanani, benempahla zokuvuma zika-Davide umfo wakwa-Tixo; ke u-Ezra umbâli ebe pâmbi kwabo.
37 Basinga esangweni lomtômbô, batingqo, benyuka ngezinyuko zomzi ka-Davide, ekunyukeni kodonga badlula indlu ka-Davide, besa esangweni lamanzi ngasempumalanga.
38 Iqela lesibini lokubulela elahambâ malunga nelo, ndingasemva kwalo ndinesinye isiqingatâ sabantu, lahambâ pêzu kodonga, ladlula inqaba ende yamaziko, lesa eludongeni olubanzi;
39 Ladlula isango lakwa-Efrayim, nesango lodonga oludala, nesango lentlanzi, nenqaba ende ka-Hananeli, nenqaba ende ka-Hameha, lada leza esangweni lempahl' emfutshane, bamisa esangweni lentolongo.
40 Ema-ke omabini amaqela okubulela endlwini ka-Tixo, mna ndinesiqingatâ sabapâtî;
41 Nabenzeleleli o-Eliyakim, no-Maheseya, no-Minyamin, no-Mikaya, no-Eliyohenayi, no-Zekariya, no-Hananiya, benamaxilongo;
42 No-Maheseya, no-Shemaya, no-Eleyazare, no-Uzi, no-Yohanan, no-Malekiya, no-Elam, no-Ezere. Imvumi zavuma kakûlu, u-Yezeraya engumpâtî wazo.
43 Babingelela ngalomini imibingelelo emikûlu, bavuya; ngokuba u-Tixo ubebavuyisile ngovuyo olukûlu. Kananjalo abafazi nabantwana bavuya; kwavakala ukuvuya kwe-Yerusalem namgama.

44 Ngalomini kwamiswa amadoda okupâtâ i-kambîli zokuba zi-zitora zemifumo, nentlahlela, nezishumi, ukuba zifunjwe kuzo, ngokwemihlaba yemizi, izabelo ezimiselwe abenzeleleli naba-Levi ngumyalelo; ngokuba ama-Yuda abevuya ngabenzeleleli nangaba-Levi abemiyo.
45 Basigcina isigxina sika-Tixo wabo, nesigxina sentlambûlulo; benje njalo abavumi nabamasango ngokomtêtô ka-Davide no-Solomon unyana wakê;

Digitized by Google

46 Ngokuba ngemihla ka-Davide, kwakudala, u-Asafu ube yintloko yemvumi neyokudumisa u-Tixo neyokubulela kuye.
47 Onke ama-Sirayeli, ngemihla ka-Zerubabeli nangemihla ka-Nehemiya, abebanika abavumi nabamasango izabelo, into yemini ngangemini yayo, engcwalisela aba-Levi, aba-Levi bengcwalisela onyana baka-Aron.

13 Ngalomini kwaleswa encwadini ka-Moses ezindlebeni zabantu; kwafunyanwa kubâliwe kuyo, ukutî, Ama-Amon nama-Mowabi makangangeni ebandleni lika-Tixo napâkade;
2 Ngokuba engabakâulelanga onyana baka-Sirayeli, enesonka namanzi; esuka abaqeshela u-Bileham, ukuba abaqalekise; ke u-Tixo wetû wayiguqula ingqalekiso yayintsikelelo.
3 Kwatî, bakuva umyalelo lowo, bawahlula wonke umxûbe kuma-Sirayeli.

4 Kekaloku pâmbî koko, u-Eliyashibi umenzelelcli, obemiswe pêzu kwe-kambîli zendlu ka-Tixo wetû, wazalamanisa no-Tobiya,
5 Wamenzela i-kambîli enkulu, apô bekufudula kubekwa kôna umnikelo wokudla, nentlak'emhlopê, nempahla, nezishumi zenqôlowa neze-wayini entsha nezeoli, ezibe zimiselwe aba-Levi nabavumi nabamasango; nemifumo yabenzelelcli.
6 Ekwenzekeni oko konke bendingekô e-Yerusalem; ngokuba ngonyaka wamashumi amatâtû anesibini ka-Artashashta ukumkani wase-Babeli ndaya kukumkani ekupéleni kwemihla, ndacela kukumkani ukuba ndibuye.
7 Ndafika-ke e-Yerusalem, ndabugqala ububi abebenzile u-Eliyashibi ngenxa ka-Tobiya ngokumenzela kwakê i-kambîli ezintendelezweni zendlu ka-Tixo.
8 Kwakubi kum kakûlu; ndazilahlela pândle zonke impahla zendlu ka-Tobiya ngapândle kwe-kambîli.
9 Ndatsho, bazihlambûlula i-kambîli; ndazibuyisela kôna impahla zendlu ka-Tixo, umnikelo wokudla nentlak'emhlopê.
10 Ndazi, ukuba izabelo zaba-Levi abazinikwanga; ngokuba aba-Levi nabavumi, ababesebenza umsebenzi, bebebalekele elowo emhlabeni wakê.
11 Ndabambâna nabapâtî, ndatî, Yinina ukuba indlu ka-Tixo ishiywe-nje? Ndababutâ, ndabamisa esikûndleni sabo.
12 Aza onke ama-Yuda azisa izishumi zenqôlowa neze-wayini entsha neze-oli ezi-toreni.
13 Ndamisa pêzu kwezi-tora u-Shelemiya umenzeleleli, no-Tsadoki umbâli, no-Pedaya kuba-Levi; napântsi kwezandla zabo yangu-Hanan unyana ka-Zakure, unyana ka-Mataniya; ngokuba bekutîwa, banyanisekile; bamiselwa ukwabela abazalwana babo.
14 Ndikûmbûle, Tixo wam, ngenxa yoko; mus'ukuzicima inceba zam, endizenzileyo endlwini ka-Tixo wam, nasezigxineni zayo.

15 Ngalomihla ndabona kwa-Yuda abaxovula ezixovulelweni ze-wayini ngesabatâ, nabatûtâ amasinde abatwalisa amaesile; kwa ne-wayini, ne-diliya, namakîwane, nemitwalo yonke, bezisa e-Yerusalem ngemini ye-sabatâ; ndaqononondisa ngalomini batêngisa ngokudla ngayo.
16 Kwakuhleli kôna nabase-Tire, bezise intlanzi nento zonke zentengiso; betêngisa nge-sabatâ konyana baka-Yuda e-Yerusalem.
17 Ndabambâna nabanumzana bakwa-Yuda, ndatî kubo, Yinto-nina lento imbî kangaka niyenzayo, niwuhlambélayo umhla we-sabatâ?
18 Babengenje njalo-na oyihlo, waza u-Tixo wetû wasifikisela tîna nalomzi bonke obobubi? ke nina nongeza ukuvutâ komsindo ku-Sirayeli, niyihlambêla-nje isabatâ.
19 Bekusitî, kwakuba luncwâlazi pâkatî kwamasango ase-Yerusalem pâmbî kwesabatâ nditê mazivalwe ingcango; nditîke mazingavulwa ide igqitê i-sabatâ. Ndamisa inxenye yamadodana akwam emasangweni, ukuze kungangeniswa mtwalo ngemini yesabatâ.
20 Abafwebi nabatêngisa ngento zonke zentengiso bebelala ngapândle kwe-Yerusalem kanye nokuba kukabini.
21 Ndaqononondisa kubo, ndatî kubo, Yinina ukuba nilale pâmbî kodonga? Ukuba nitê napînda, ndonisa isandla. Kususela kweloxesha ababangaseza nge-sabatâ.
22 Ndatî kuba-Levi, mabazihlambûlule, beze bagcine amasango, ukuze kungcwaliswe umhla we-sabatâ. Ndikûmbûlele

Digitized by Google

nangalento, Tîxo wam, ube nenceba kum ngokobuninzi benceba yakô.

23 Kananjalo ngalomihla ndawabona ama-Yuda abezeke abafazi abangama-Ashdodekazi, nama-Amonikazi, nama-Mowabikazi;

24 Onyana babo inxenye betêtâ ngesi-Ashdode, benge nakuqonda ukutêtâ ngesi-Yuda, betêtâ ngokwentetô yezizwe ngezizwe.

25 Ndabambâna nawo, ndawatshabîsa, ndabetâ amadoda kuwo, ndawadlatûla inwele, ndawafungisa u-Tîxo ngokutî, Inene, intombî zenu anikuzendisela konyana babo, nentombî zabo anikuzizekela onyana benu, anikuzizeka nani ngokwenu.

26 Wayengône ngenxa yabo yinina u-Solomon ukumkani wama-Sirayeli? Ezintlangeni ezininzi kwakungekô kumkani unjengaye, ubetândwa ngu-Tîxo wakê, u-Tîxo wamnika ukuba ngukumkani wama-Sirayeli onke; naye lowo bamônisa abafazi bezinye intlanga.

27 Makuvakale ngani-ke ukuba nenze bonke obububi bukûlu bokwenza ubumenemene ku-Tîxo wetû ngokuzeka abafazi bezinye intlanga?

28 Kekaloku konyana baka-Yoyada unyana ka-Eliyashibi, umenzeleleli omkûlu, bekukô kubo obe ngumyeni kwa-Sanebalati wase-Horon, ndamgxotâ-ke kum.

29 Bakûmbûle, Tîxo wam, ngenxa yokuhlambêla kwabo ubenzeleleli nomnqopîso wobenzeleleli nowobu-Levi.

30 Ndawahlambûlula-ke ezintweni zonke zezinye intlanga, ndazimisa izigxina zabenzeleleli nezaba-Levi, zomntu ngomntu emsebenzini wakê,

31 Nezomsondezo wenkuni ngamaxesha amisiweyo nezentlahlela. Ndikûmbûlele okulungileyo, Tîxo wam.

INCWADI KA-ESTERE.

ISIQENDU I.

KEKALOKU kwatî ngemihla ka-Ahaswerosi (lo-Ahaswerosi-ke ube ngukumkani, etâbatêla e-Hindu, wezisa kwa-Kushi: kumazwe alikûlu elinamanci mabini anesixênxe;)

2 Ngalomihla, xa wayehleli ukumkani u-Ahaswerosi e-troneni yobukumkani bakê, ese-Shushan komkûlu,

3 Ngonyaka wesitâtû wobukumkani bakê, wabenzela isidlo bonke abatêtêli bakê nabakonzi bakê; xa impi yama-Persi neyama-Medi, amawaba nabatêtêli bamazwe bebe pâmbî kwakê,

4 Akubon'ukuba ubonis' abantu ubutyebi obuzukileyo bobukumkani bakê, nesihombô esinqabileyo sobukûlu bakê imihla emininzi, imihla elikûlu, elinamanci asibôzo.

5 Ekuzalisekeni kwalomihla ukumkani wabenzela isidlo bonke abantu abafumaneka e-Shushan komkûlu, kwatâbatêla kwabakûlu, kwesa kwabancinane, imihla yasixênxe entendelezweni yomyezo wendlu yokumkani;

6 *Amalengalenga* engawe-linen emhlopê necikizekileyo nemsi, ebotshwe ngentsontelo ze-linen ecikizekileyo nemfusa kumakônco e-silvere, nakwintsika zamatye amhlopê; izinqênqelo izeze-golide nezesilvère, pêzu kombêkelelo wamatye aluhlaza, namhlopê, nazi-perile, namnyama.

7 Kuselwa ngempahla ze-golide, zizimpahla ngempahla; ininzi i-wayini yakomkûlu ngokwamandla okumkani.

8 Ukusela bekungokomtêtô; kungekô unyanzelayo: kuba wenje njalo ukumkani ukumisela zonke izikûlu zendlu yakê, ukuba enze elowo nalowo ngokuzitândela kwakê.

9 Kananjalo u-Vashti ukumkanikazi wenzela abafazi isidlo endlwini yakomkûlu, ebiyekakumkani u-Ahasweros.

10 Ngomhla wesixênxe, xa intliziyo yokumkani yayimnandi yi-wayini, wayalêla u-Mehuman, no-Bizeta, no-Harbona, no-

Digitized by Google

Bigeta no-Abageta, no-Zetare, no-Karkasi, ababusi abasixênxe abalungiselelayo ebusweni bokumkani, watî,

11 Mabamzise u-Vashti ukumkanikazi pâmbî kokumkani enonkontsho lokumkanikazi, ukuba abonise abantu nabatêtêli ubuhle bakê; ngokuba imbônakalo yakê ebe yinzwakazi.

12 Akavumanga ukumkanikazi u-Vashti ukuza ngelizwi lokumkani ngababusi abo. Waba nobufalafume obukûlu ukumkani, bavutâ ubushushu bakê kuye.

13 Watî-ke ukumkani kwizilumko eziwaziyo amaxesha, (ngokuba ibisenjiwa njalo into yokumkani pâmbî kwabo bonke abawaziyo umtêtô nesiko;

14 Ababe kufupî kuye o-Karshena, no-Shetare, no-Ademata, no-Tarshishe, no-Meres, no-Marsena, no-Memukan, abatêtêli abasixênxe bama-Persi nama-Medi, ababebubona ubuso bokumkani, ababehlala ezihlalweni zobukûlu ebukumkanini;)

15 *Watî*, Ngokomtêtô angenziwa ntonina ukumkanikazi u-Vashti, ngenxa yokuba engalenzanga ilizwi lokumkani u-Ahaswerosi ngababusi?

16 Watî u-Memukan pâmbî kokumkani nabatêtêli, U-Vashti ukumkanikazi akapôsise kukumkani yedwa, upôsise nakubatêtêli bonke nakwizizwe zonke ezisemazweni onke okumkani u-Ahaswerosi.

17 Kuba lendawo yokumkanikazi iya kupûma, ifikelele kubafazi bonke, adeleke amadoda abo emehlweni abo, xa kutîwa, Ukumkani u-Ahaswerosi watî makeziswe u-Vashti ukumkanikazi pâmbî kwakê, akeza.

18 Kananjalo amakôsikazi ase-Persi nase-Medi ayivayo lento yokumkanikazi, ayakuyixela kwa namhla-nje kubatêtêli bonke bokumkani, kwande-ke ukudela nobufalafume.

19 Ukuba kutê kwalunga kukumkani, makupûme ilizwi lokumkani ebusweni bakê, libâlwe emitêtweni yama-Persi nama-Medi, ukuze lingatshitshi, lokuba u-Vashti angabi seza pâmbî kokumkani u-Ahaswerosi, ukumkani abunikele ubukumkanikazi bakê kuwabo olungilevo kunaye;

20 Wotî-ke wakuvakala umtêtô wokumkani, aya kuwenza ebukumkanini bakê bonke, ngokuba bukûlu: bonke abafazi bawabeke amadoda-abo, kutâbatêle kwenkulu, kuse kwencinane.

21 Ilizwi-elo lalunga emehlweni okumkani nabatêtêli. Wenza-ke ukumkani ngokwelizwi lika-Memukan.

22 Watûmela incwadi emazweni onke kakumkani, kwilizwe ngelizwe njengokubâla kwalo, kwizizwe ngezizwe ngokwentetô zazo, okokuba amadoda onke alaule ezindlwini zawo, atêtê ngentetô yakowawo.

2 Emva kwezizinto, bakudambâ ubushushu bokumkani u-Ahaswerosi, wamkûmbûla u-Vashti, noko abekwenzile, noko bekugqitywe ngaye.

2 Atî amadodana akwakumkani abelungiselela kuye, Ukumkani makafunelwe intombî ezisezintombî ezimbônakalo intle;

3 Ukumkani makayalele abapâtî emazweni onke obukumkani bakê, bahlanganise zonke intombî ezisezintombî ezimbônakalo intle, bazizise e-Shushan komkûlu, endlwini yabafazi, pântsi kwesandla sika-Hegayi itênwa lokumkani, umgcini wabafazi, zinikwe izinto zokutâmbîsa.

4 Itî intombî etê yalunga emehlweni okumkani ibe ngukumkanikazi esikûndleni sika-Vashti. Lalunga elozwi emehlweni okumkani; wenje njalo-ke.

5 Kwakukô-ke e-Shushan komkûlu indoda engum-Yuda, egama lalingu-Mordekayi unyana ka-Yahire, unyana ka-Shimehi, unyana ka-Kishe, indoda engum-Benyamin;

6 Eyayitînjiwe e-Yerusalem nabatînjwa, ababetînjwe no-Yekoniya ukumkani wakwa-Yuda, owatînjwa ngu-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli.

7 Yayi ngumondli ka-Hadasa, ngu-Estere ke-lowo, intombî kayisekazi; ngokuba ebenge nayise nanina; intombi-leyo yayimile kakuhle, intle nasebusweni. Emva kokufa kukayise nonina u-Mordekayi wayitâbatâ yayintombî yakê.

8 Kwatî ekuvakaleni kwelizwi lokumkani nomtêtô wakê, ekuhlanganisweni kwentombî ezininzi e-Shushan komkûlu pântsi kwesandla sika-Hegayi, wasiwa no-Estere endlwini yokumkani, pântsi kwesandla sika-Hegayi, umgcini wabafazi.

9 Yamkôlisa intombî leyo, wayenzela ububele, wakâuleza, wayinika into zayo zokutâmbîsa, nezabelo zayo, wayinika nentombî ezisixênxe ezihleliweyo, ezivela endlwini yokumkani; wayibeka yona no-

Digitized by Google

mtinjana wayo kweyona ndawo intle kwindlu yabafazi.

10 U-Estere ubengabakânkanyanga abantu bakowabo nemizalwane yakê; kuba u-Mordekayi wayemwisele umtêtô wokuba angabaxeli.

11 U-Mordekayi wayeman' ukuhambâ imihla ngemihla yonke pâmbî kwentendelezo yendlu yabafazi, ukuba akwazi ukupila kuka-Estere nokwenziwa kuye.

12 Kekaloku ekufikeni kwexesha lentombî ngentombî lokuya kukumkani u-Ahaswerosi, ekupêleni kokwenziwa kwesiko labafazi inyanga ezilishumi elinambîni; (kuba bekunjalo ukuzaliseka kwemihla yokutânjiswa kwazo: inyanga ezintandatû bekusenziwa nge-oli ye-more, ezinye inyanga ezintandatû ngobulawu nangento zokutâmbîsa abafazi;)

13 Ngeloxesha-ke ibisitî intombî ukuya kukumkani, kutî konke ebikunqwenela ikunikwe, ihambê nako, ipûma endlwini yabafazi ukuya endlwini yokumkani.

14 Ibisakuya ngokuhlwa, ngengomso ibuyele endlwini yabafazi yesibini, epântsi kogcino luka-Shahashgazi, itênwa lokumkani, umgcini wamashweshwe. Ibingabi saya kukumkani, engayinanzanga ukumkani, ayibize ngegama.

15 Ekufikeni kwexesha lika-Estere intombî ka-Abihayili, uyisekazi ka-Mordekayi, obeyitâbate ukuba ibe yintombî yakê, lokuba aye kukumkani, akafunanga nto ingaxelwanga ngu-Hegayi itênwa lokumkani, umgcini wabafazi. U-Estere wabalwa ngabo bonke abambonayo.

16 Wasiwa-ke u-Estere kukumkani u-Ahaswerosi, endlwini yakê yobukumkani, ngenyanga yeshumi, leyo yinyanga engu-Tebete, ngonyaka wesixênxe wobukumkani bakê.

17 Ukumkani wamtânda u-Estere ngapézu kwabafazi bonke; wambabala, wamenzela inceba ngapezu kwentombî zonke; unkontsho lokumkanikazi walubeka entloko yakê, wamenza ukumkanikazi esikûndleni sika-Vashtî.

18 Ukumkani wabenzela isidlo esikûlu abatêtêli bakê nabakônzi bakê, isidlo sika-Estere; wawapûmza amazwe, wapâ izipô ngokwamandla okumkani.

19 Kekaloku ekuhlanganisweni kwentombî okwesibini, ubehleli u-Mordekayi esangweni lokumkani.

20 U-Estere ubengayixelanga imizalwane yakê nabantu bakowabo, njengoko u-Mordekayi wayemmisele; ngokuba ilizwi lika-Mordekayi ubelenza u-Estere, njengokuba wayesondliwa nguye.

21 Ngalomihla kwatî, u-Mordekayi ehleli esangweni lokumkani, baba nobufalafume u-Bigetan no-Tereshe, amatênwa amabini okumkani, abagcini bomnyango, bafuna ukumsa izandla ukumkani u-Ahaswerosi.

22 Yaziwa lonto ngu-Mordekayi, waxelela u-Estere ukumkanikazi; u-Estere waxelela ukumkani ngegama lika-Mordekayi.

23 Yancînwa lonto, yafunyanwa; baxônywa bobabini emtîni. Yabâlwa lonto encwadini yemicimbî yemihla pâmbî kokumkani.

3 Emveni kwezozinto ukumkani u-Ahaswerosi wamenza mkûlu u-Haman unyana ka-Hamedata, um-Agagi; wampâkamisa, wasimisa isihlalo sakê ngapézu kwabatêtêli bonke ababe naye.

2 Bonke abakônzi bokumkani, abebe sesangweni lokumkani, bebeguqa, baqubude ku-Haman; kuba wenje njalo ukumkani ukuwisa umtêtô ngaye; ke u-Mordekayi akaguqanga, akaqubudanga kuye.

3 Abakônzi bokumkani, abebe sesangweni lokumkani, batî ku-Mordekayi, Yinina ukuba uwugqitê umtêtô wokumkani?

4 Kwatî-ke, bakuman'ukutsho kuye imihla ngemihla, engapûlapûli kubo, bamxelela u-Haman, ukukângela, ukuba aya kuma-na amazwi ka-Mordekayi? kuba ubebaxelele, ukuba yena ungum-Yuda.

5 Wabona u-Haman, ukuba u-Mordekayi akaguqi, akaqubudi kuye, wasuka u-Haman wazala ngumsindo.

6 Wakucekisa ukuba amse izandla u-Mordekayi yedwa; kuba ubebaxelelwe abantu bakulo-Mordekayi; wanxâmela-ke u-Haman ukuwatshabalalisa onke ama-Yuda abe sebukumkanini bonke buka-Ahaswerosi, abantu-ke bakulo-Mordekayi.

7 Ngenyanga yokuqala, yinyanga engu-Nisan-ke-leyo, ngonyaka weshumi elinesibini wokumkani u-Ahaswerosi, kwawiswa i-Puri, liqashiso-ke-elo, pâmbî ko-Haman, imini ngemini, inyanga ngenyanga yada yayeyeshumi elinesibini, yinyanga engu-Adare-ke-leyo.

8 Watî u-Haman kukumkani u-Ahaswerosi, kukô abantu abatîle abatê-sa abangene pâkatî kwezizwe emazweni onke

Digitized by Google

obukumkani bakô, nemitêtô yabo yahlukile kweyabantu bonke, abayenzi imitêtô yokumkani; akufanelekile kukumkani ukubayeka.

9 Ukuba kutê kwalunga kukumkani, makubâlwe batshatyalaliswe; ndolinganisela ezandleni zabawenzayo lomsebenzi wokumkani amawaka alishumi e-talente zesilvere, ukuba ziziswe ebutyebini bokumkani.

10 Ukumkani wawukûlula umsesane wakê esandleni sakê, wawunika u-Haman unyana ka-Hamedata, um-Agagi, umbandezeli wama-Yuda.

11 Watî ukumkani ku-Haman, Uyinikiwe i-silvere-leyo, nabantu-abo; makwenziwe kubo ngoko kulungileyo emehlweni akô.

12 Kwabizwa-ke ababâli·bokumkani ngenyanga yokuqala ngomhla weshumi elinesitâtû kuyo; kwabâlwa ngokomtêtô wonke ka-Haman, kwi-fuluneli zokumkani, nakumabambâ abepêtê amazwe ngamazwe, nakubatêtêli babantu ngabantu, kumazwe ngamazwe ngokokubâla kwawo, kubantu ngabantu ngokwentetô zabo; kwabâlwa ngegama lokumkani u-Ahasweresi, kwatywinwa ngomsesane wokumkani.

13 Zatûnyelwa incwadi ngezigidimi kumazwe onke okumkani, ukuba kutshatyalaliswe, kubulawe, kusingelwe pântsi onke ama-Yuda, kutâbatêle kumfana, kuse kwindoda enkulu, intsana nabafazi ngamini nye, ngomhla weshumi elinesitâtû wenyanga yeshumi elinesibini, yinyanga engu-Adare-ke-leyo; kupângwe amaxôba awo.

14 Intetô yencwadi-leyo, yokuze awiselwe umtêtô onke amazwe ngamazwe, yaya yatûnyelwa kwizizwe zonke ukuba zihlala ziwulungiselelwe lomhla.

15 Izigidimi zapûma zinxâmile ngelizwi lokumkani; umtêtô lowo wawiswa e-Shushan komkûlu; ke ukumkani no-Haman bahlala pântsi, basela; wona umzi wase-Shushan wadideka.

4 Kekaloku u-Mordekayi wakwazi konke oko kwenziweyo; wazifazula u-Mordekayi ingubo zakê, wambâtâ ezifwexayo ngotûtû, wapûma waya pâkatî komzi, wakâla ngesikâlo esikûlu esifara.

2 Wafika pâmbî kwesango lokumkani; kuba bekungangeni mntu esangweni lokumkani ambêtê ezifwexayo.

3 Kuwo onke amazwe ngamazwe, kwindawo elitê lafika kuyo ilizwi lokumkani nomtêtô wakê, yaba sijwili esikûlu kuma-Yuda, nokuzila ukudla, nokulila, nokumbâmbâzela. Abaninzi bandlala ingubo ezifwexayo notûtû.

4 Zeza-ke impelesi zika-Estere namatênwa akwakê, amxelela. Wamana ezibijabija ukumkanikazi ebuhlungu, watûmela ingubo zokumambêsa u-Mordekayi, zisuswe kuye ezifwexayo; akazamkela.

5 U-Estere wabiza u-Hataki wakumatênwa okumkani, obemiswe ukuba amlungisele, wamwisela umtêtô ku-Mordekayi, ukuba azi, ukuba kutê-nina, kunganina?

6 Wapûma u-Hataki, waya ku-Mordekayi endaweni yembûto yomzi, ebipâmbî kwesango lokumkani.

7 U-Mordekayi wamxelela konke okumhleleyo, wamcacisela inani lemali, abetê u-Haman, uya kulilinganisela ebutyebini bokumkani ngenxa yama-Yuda, ukuba atshatyalaliswe.

8 Wamnika nencwadi leyo yomtêtô, obuwiswe e-Shushan wokuwatshabalalisa, ukuze ayibonise u-Estere, amxelele, amwisele umtêtô wokuba aye kukumkani, atafuzise kuye, atândazele abantu bakowabo ebusweni bakê.

9 Weza u-Hataki, wamxelela u-Estere amazwi ka-Mordekayi.

10 Watêtâ u-Estere ku-Hataki, wamwisela umtêtô ku-Mordekayi, esitî,

11 Bonke abakônzi bokumkani nabantu bamazwe okumkani bayazi, ukuba umntu, noyindoda noyikazana, otê waya kukumkani entendelezweni engapâkatî, engabizwanga, mnye umtêtô wakê ngowokuba abulawe; ngulowo yedwa, atê ukumkani wamolulela intonga yakê ye-golide, owotî apîle; ke mna andibizwanga ukuba ndiye kukumkani lemihla imashumi matâtû.

12 Bamxelela-ke u-Mordekayi amazwi ka-Estere.

13 Watî u-Mordekayi ukumpêndula u-Estere, Musa ukutî empêfumlweni wakô, uya kusinda wena endlwini yokumkani ngapêzu kwama-Yuda onke;

14 Ngokuba xa utê wahlala watî-tu ngelixesha, ukupêfumla nokuhlangulwa kowavelela ama-Yuda kwenye indawo; ke wena nendlu yoyihlo nitshatyalaliswe; ngubanina owaziyo hi kanti ungene ebukumkanini ngenxa yexesha elinje?

Digitized by Google

15 Wati u-Estere ukumpêndula u-Mordekayi,

16 Yiya uwahlanganise onke ama-Yuda anokufumaneka e-Shushan, nizile ukudla ngenxa yam. Musan' ukudla, musan' ukusela imihla ibe mitâtû, ubusuku nemini; mna kananjalo nempelesi zam siya kwenje njalo ukuzila ukudla; ndenje njalo ukuya kukumkani ngokunge sesikweni, nditshabalale ukuba ndiyatshabalala.

17 U-Mordekayi wegqitâ, wenza ngako konke u-Estere abemwisele umtêtô ngako.

5 Kwatî ngomhla wesitâtû u-Estere wambâtâ ezobukumkanikazi, wema entendelezweni engapâkatî yendlu yokumkani, malungana nendlu yokumkani; waye ukumkani ehleli e-troneni yobukumkani bakê endlwini yobukumkani, malunga nomnyango wendlu.

2 Kwatî, ukumkani akumbona u-Estere ukumkanikazi emi entendelezweni, wambabala; ukumkani wayolulela ku-Estere intonga ye-golide ebisesandleni sakê. Wasondela-ke u-Estere, wapâtâ encamini yentonga-leyo.

3 Watî ukumkani kuye, Unandawo-nina, kumkanikazi Estere? ufuna nto-nina? woyinikwa kude kube sesiqingatêni sobukumkani.

4 Watî u-Estere, Ukuba kutê kwalunga kukumkani, makeze ukumkani no-Haman namhla esidlweni endimenzele sôna.

5 Watî ukumkani, Mnxâmiseni u-Haman, ukuba enze ngokwelizwi lika-Estere. Weza ukumkani no-Haman esidlweni abesenzile u-Estere.

6 Watî ukumkani ku-Estere esidlweni sewayini, Ucela nto-nina? woyinikwa; ufuna nto-nina? woyenzelwa kude kube sesiqingatêni sobukumkani.

7 Wapêndula u-Estere, watî, Kukô oku ukucela kwam nokutândaza kwam,

8 Ukuba nditê ndababalwa ngukumkani, ukuba kutê kwalunga kukumkani ukundinika endikucelayo nokundenzela ukutândaza kwam, makeze ukumkani no-Haman esidlweni, endiya kubenzela sona, ndenze ngomso ngokwelizwi lokumkani.

9 Wapûma u-Haman ngalomini, evuya enentliziyo ecwayitileyo. Ke utê u-Haman, akumbona u-Mordekayi esangweni lokumkani, engavuki engashukumi pâmbî kwakê, u-Haman wazala ngumsindo ngo-Mordekayi.

10 Ke u-Haman wazibâmbâ, waya endlwini yakê; watûmela wabiza izitândane zakê, no-Zereshe umkakê.

11 U-Haman wababalisela ubuqaqauli bobutyebi bakê, nobuninzi bonyana bakê, nako konke ukwenziwa mkulu kwakê ngukumkani, nokupâkanyiswa kwakê pêzu kwabatêtêli nabakonzi bokumkani.

12 Watî u-Haman, Ngapêzu koko u-Estere ukumkanikazi akangenisanga bani nokumkani esidlweni abesenzile, yaba ndim ndedwa; kananjalo ngomso undimemele kuye nokumkani.

13 Ukanti konke oko akundanelisile, wonk' ugama endimbonayo u-Mordekayi um-Yuda esahleli esangweni lokumkani.

14 Watî u-Zereshe umkakê nezitândane zakê zonke kuye, Mabenze umtî ube zikubite ezimashumi mahlanu ubude bawo, utêtê kusasa kukumkani, bamxôme u-Mordekayi kuwo, uye-ke nokumkani esidlweni uvuya. Lalunga elozwi ku-Haman; wawenza umtî lowo.

6 Ngobobusuku bemka ababikô ubutôngo kukumkani; watî maziziswe incwadi zezikûmbûzo zemicimbî yemihla; zamana zileswa pâmbî kokumkani.

2 Kwafunyanwa kubâliwe okokuba u-Mordekayi wabaxela o-Bigetan no-Tereshe, amatênwa amabini okumkani, abagcini bomnyango, ababefuna ukumsa izandla ukumkani u-Ahaswerosi.

3 Watî ukumkani, Wenzelwe mbêko-nina nabukûlu bunina u-Mordekayi ngenxa yoko? Atî amadodana akwakumkani, abelungiselela kuye, Akenzelwanga nto.

4 Watî ukumkani, Ngubanina osentendelezweni? Kekaloku u-Haman ubengene entendelezweni engapândle yendlu yokumkani, esiza kutî kukumkani, makaxônywe u-Mordekayi emtini, abemlungisele wona.

5 Atî amadodana akwakumkani kunye, Nankuya u-Haman emi entendelezweni. Watî ukumkani, Makangene.

6 Wangena-ke u-Haman. Watî ukumkani kuye, Makwenziwe nto-nina kwindoda, atânda ukuyibeka embêkweni ukumkani? Watî u-Haman entliziyweni yakê, Ukumkani angatânda ukubeka banina embêkweni, agqitê mna?

7 Watî u-Haman kukumkani, Indoda, atândayo ukuyibeka embêkweni ukumkani,

Digitized by Google

8 Mabazise isambâtô sobukumkani ambâtâ sona ukumkani, nehashe akwêla kulo ukumkani, lubekwe entloko yayo unkontsho lokumkani;

9 Basinikele isambâtô-eso nehashe-elo esandleni somtêtêli wakumawaba okumkani, bayambâtise indoda-leyo atânda ukuyibeka embêkweni ukumkani, bayikwêlise ehasheni elo, *icande* ezi-trateni zomzi, badanduluke pâmbî kwayo, batî, Kwenjiwanje kwindoda atânda ukuyibeka embêkweni ukumkani.

10 Watî ukumkani ku-Haman, Nxâma utâbatê isambâtô-eso nehashe-elo, njengoko ukutêtîleyo, wenje njalo ku-Mordekayi um-Yuda, ohleli esangweni lokumkani; makungawi pântsi nalinye ilizwi kukô konke okutêtîleyo.

11 U-Haman wasitâbatâ isambâtô-eso nehashe-elo, wamambâtîsa u-Mordekayi, wamkwêlisa wamcandisa ezi-trateni zoinzi, wadanduluka pâmbî kwake ngokutî, Kwenjiwa-nje kwindoda atânda ukuyibeka embêkweni ukumkani.

12 Wabuya u-Mordekayi, weza esangweni lokumkani; ke u-Haman wanxâma waya endlwini yakê, etê-matshamatsha egqubutêle intloko.

13 U-Haman wamcacisela u-Zereshe umkakê nezitândane zakê zonke konke okumhleleyo. Zatî kuye izilumko zakê no-Zereshe umkakê, Ukuba ngowembêwu yama-Yuda u-Mordekayi-lo, uqalileyo ukuwa pâmbî kwakê, akunakumtî-ni; ke wowa uwile pâmbî kwakê.

14 Batê besatêtâ naye, kwafika amatênwa okumkani, banxâmisa ukumsa u-Haman esidlweni abesenzile u-Estere.

7 Ukumkani no-Haman beza kusela no-Estere ukumkanikazi.

2 Watî ukumkani ku-Estere nangomhla wesibini, besesidlweni se-wayini, Ucela nto-nina, Estere, kumkanikazi? woyinikwa; ufuna nto-nina? woyenzelwa kude kube sesiqingatêni sobukumkani.

3 Wapêndula u-Estere ukumkanikazi, Watî, Ukuba ndithê ndababalwa nguwe, kumkani, ukuba kutê, kwalunga kukumkani, mandinikwe ubomi bam ngokucela kwam, nabantu bakowetâ ngokutândaza kwam;

4 Kuba kutêngisiwe ngatî mna nabantu bakowetâ ukuze sitshatyalaliswe, sibulawe, sisingelwe pântsi. Ukuba bekutêngiswe ngatî ukuba sibe ngamakôboka namakôbokazana, ngenditê-cwaka; ngokuba umbandezeli lowo ubengeyibuyiseliyo inxwaleko yokumkani.

5 Waza ukumkani u-Ahaswerosi, watî ku-Estere ukumkanikazi, Ngubanina lowo? upîna yena lowo uzalise intliziyo yakê ukwenje njalo?

6 Watî u-Estere, Indoda engumbandezeli elutshaba ngulo-Haman ungendawo. Wadandateka-ke u-Haman ebusweni bokumkani nokumkanikazi.

7 Wesuka-ke ukumkani, enomsindo esidlweni sewayini, waya emyezweni wendlu; ke u-Haman wema, ebutândazela ubomi bakê ku-Estere ukumkanikazi; kuba ebebona ukuba ukumkani ugqibe kwelobubi kuye.

8 Ukumkani wabuya emyezweni wendlu, wangena endlwini yesidlo sewayini, u-Haman ewe pêzu kwesinqênqelo abe kuso u-Estere. Watî ukumkani, Angade ukumkanikazi agônyamelwe nam endlwini apâ-na? Liyatî ukupûma elolizwi emlonyeni wokumkani, baya bugqubutêla ubuso buka-Haman.

9 Watî u-Harbona, elinye lakumatênwa abemi pâmbî kokumkani, Nanguya umtî, u-Haman abewenzele u-Mordekayi, owatêtâ okulungileyo ngokumkani, umi endlwini ka-Haman; ubude bawo buzi-kubite ezimashumi mahlanu. Watî ukumkani, Mxômeni kuwo.

10 Bamxôma-ke u-Haman emtîni lowo, abewulungisele u-Mordekayi. Wadambâke umsindo wokumkani.

8 Ngalomini ukumkani u-Ahaswerosi wamnika u-Estere ukumkanikazi indlu ka-Haman, umbandezeli wama-Yuda. U-Mordekayi weza pâmbî kokumkani; kuba u-Estere ubeyixelile into abeyiyo kuye.

2 Ukumkani wakûlula umsesane wakê, abewutâbate ku-Haman, wanika u-Mordekayi. U-Estere wammisa u-Mordekayi pêzu kwendlu ka-Haman.

3 Wapînda u-Estere, watêtâ pâmbî kokumkani, ewe pâmbî kwenyawo zakê, elila etafuzisa kuye, ukuba abutshitshise ububi buka-Haman um-Agagi, nengcinga yakê abeyicingile ngama-Yuda.

4 Waza ukumkani wayolulela ku-Estere intonga ye-golide; wavuka u-Estere, wema pâmbî kokumkani,

5 Watî, Ukuba kutê kwalunga kukumkani, ukuba nditê ndababalwa nguye, yafa-

Digitized by Google

neleka lento pambi kokumkani, nam ndalunga emehlweni akè: makubalwe zibuye incwadi zengcinga ka-Haman unyana ka-Hamedata, um-Agagi, awazibalela ukuwatshabalalisa ama-Yuda asemazweni onke kakumkani.

6 Kuba ndingati-nina ukuba nako ukububonela ububi obuya kubazela abantu bakowetu? ndingati-nina ukuba nako ukukubona ukutshatyalaliswa kwemizalwane yam?

7 Wati ukumkani u-Ahaswerosi ku-Estere ukumkanikazi naku-Mordekayi um-Yuda, Yabonani, indlu ka-Haman ndiyinike u-Estere; yena ngokwakè bamxome emtini ngenxa yokuba wasa isandla sakè kuma-Yuda.

8 Ngoko-ke nina balani ngama-Yuda ngoko kulungileyo emehlweni enu ngegama lokumkani, nitywine ngomsesane wokumkani, kuba incwadi ebalwe ngegama lokumkani, yatywinwa ngomsesane wokumkani, akuko unokuyibuyisa.

9 Babizwa-ke ababali bokumkani ngeloxesha ngenyanga yesitatu, yinyanga engu-Sivan-ke-leyo, ngomhla wamashumi amabini anesitatu kuyo; kwabalwa ngoko konke umtetò awawisa ngako u-Mordekayi kuma-Yuda nakwi-faluneli, nakumabamba, nakubatetèli bamazwe, atabatèla e-Hindu eza kwa-Kushi, amazwe alikulu elinamanci mabini anesixenxe, kwilizwe ngelizwe njengokubala kwalo, kubantu ngabantu ngokwentetò yabo, nakuma-Yuda ngokokubala kwawo nangokwentetò yawo.

10 Kwabalwa ngegama lokumkani u-Ahaswerosi, kwatywinwa ngomsesane wokumkani; kwatunywa incwadi ngezigidimi ezisemahasheni, ezikwele kwimbaleki zakomkulu, kumankonyana esihashe sakomkulu,

11 Kwabalwa kwatiwa, ukumkani uwavumele ama-Yuda, akwimizi ngemizi yonke, ukuba abizelane ndawo-nye, akusele ubomi bawo, atshabalalise abulale asingele pantsi yonke impi yabantu neyelizwe eliwabandezelayo, abantwana nabafazi, apange amaxoba abo,

12 Ngamini nye, emazweni onke kakumkani u-Ahaswerosi, ngomhla weshumi elinesitatu wenyanga yeshumi elinesibini, yinyanga engu-Adare-ke-leyo.

13 Incwadi-leyo, ukuze awiselwe umtetò onke amazwe ngamazwe, yatunyelwa kwizizwe zonke, ukuze ama-Yuda ahlale selezilungiselele lomhla ukuzipindezelela ezintshabeni zawo.

14 Izigidimi zakwela kwimbaleki zakomkulu nakwisihashe sakomkulu zapuma zinxanyisiwe lilizwi lokumkani. Umtetò lowo wawiswa e-Shushan komkulu.

15 Kekaloku u-Mordekayi wapuma ebusweni bokumkani, enesambato sokumkani se-linen emsi emhlope, nesitsaba esikulu se-golide, nengubo yokwaleka ye-linen ecikizekileyo emfusa. Umzi wase-Shushan wagcoba wavuya.

16 Kuma-Yuda kwabako ukukanya nokuvuya, nemihlali nembeko.

17 Nakumazwe ngamazwe onke, nakwimizi ngemizi yonke, elati lafika kuyo ilizwi lokumkani nomtetò wakè, yaba yimivuyo nemihlali kuma-Yuda, isidlo nomhla wokucwayita. Abaninzi ezizweni zelizwe baba ngama-Yuda; ngokuba bafikelwa kunkwantya ngama-Yuda.

9 Kekaloku ngenyanga yeshumi elinesibini, yinyanga engu-Adare-ke-leyo, ngomhla weshumi elinesitatu kuyo, ekwakutè kwafika ukwenziwa kwelizwi lokumkani nomtetò wakè, ngomhla ebezilindele intshaba zama-Yuda ukuwapata ngegunya, kwaguqulwa oko, ama-Yuda aba ngawo azipata intshaba zawo ngegunya.

2 Abizelana ndawo-nye ama-Yuda emizini yawo, emazweni onke kakumkani u-Ahaswerosi, ukuba abase isandla abo babefuna ukuwenza okubi; akwema mntu ebusweni bawo; ngokuba izizwe zonke zafikelwa kunkwantya.

3 Bonke abatetèli bamazwe, ne-faluneli, namabamba, nabasebenzi bokumkani, bawanceda ama-Yuda; ngokuba babengenelwe kukoyika u-Mordekayi;

4 Kuba u-Mordekayi ebe mkulu endlwini yokumkani, udaba lwake lwaya emazweni onke; kuba indoda-leyo ingu-Mordekayi yaya iba nkulu ngokuba nkulu.

5 Azoyisa-ke ama-Yuda ezontshaba zawo zonke ngefele nangokubulala nangokutshabalalisa, enza ngokuzitandela kwabo babewatiyile.

6 E-Shushan komkulu ama-Yuda abulala, atshabalalisa amakulu amahlanu amadoda.

7 U-Parshandata, no-Dalefon, no-Aspata,

8 No-Porata, no-Adaliya, no-Aridata,

Digitized by Google

9 No-Parmashta, no-Arisayi, no-Aridayi, no-Vayezata,
10 Onyana abalishumi baka-Haman unyana ka-Hamedata, umbandezeli wama-Yuda, ababulala; ke amaxôba akawacûkumisanga.
11 Ngalomini inani lababulalelwa e-Shushan komkûlu laziswa pâmbî kokumkani.
12 Watî ukumkani ku-Estere ukumkanikazi, E-Shushan komkûlu ama-Yuda abulele atshabalalisa amakûlu amahlanu amadoda, nonyana abalishumi baka-Haman, kwamanye amazwe okumkani kobeka pîna? ucela nto-nina? woyinikwa; usafuna nto-nina? woyenzelwa.
13 Watî u-Estere, Ukuba kutê kwalunga kukumkani, makanikwe ama-Yuda ase-Shushan nangomso ukwenza ngokomtêtô walemini; nonyana abalishumi baka-Haman mabaxônywe emtîni.
14 Watî ukumkani, Makwenjiwe njalo. Kwawiswa-ke umtêtô e-Shushan, kwaxônywa onyana abalishumi baka-Haman.
15 Abizelana ndawo-nye ama-Yuda ase-Shushan nangomhla weshumi elinesine wenyanga engu-Adare, abulala e-Shushan amakûlu amatâtû amadoda; amaxôba akawacûkumisanga.
16 Ke namanye ama-Yuda abe semazweni kakumkani abizelana ndawo-nye, akûsela ubomi bawo, apûmla ezintshabeni zawo, abulala kubatîyi bawo amashumi asixénxe anesihlanu amawaka; amaxôba akawacûkumisanga,
17 Ngomhla weshumi elinesitâtû wenyanga engu-Adare; apûmla ngomhla weshumi elinesine kuyo, awenza umhla wesidlo nowokuvuya.
18 Ke ama-Yuda ase-Shushan abizelana ndawo-nye ngomhla weshumi elinesitâtû kuyo, nangomhla weshumi elinesine kuyo, apûmla ngomhla weshumi elinesihlanu kuyo, awenza umhla wesidlo nowokuvuya.
19 Ngenxa yoko ama-Yuda asemapândleni, abehlala emizini esemapândleni, awenza umhla weshumi elinesine wenyanga engu-Adare, ukuba ube ngowovuyo nowesidlo, umhla wokucwayita nowokutûmelana izabelo.

20 U-Mordekayi wazibâla ezonto, watûmela incwadi kuma-Yuda onke, abe semazweni onke kakumkani u-Ahaswerosi, akufupî kwa nakude;
21 Ewamisela ukuba awugcine umhla weshumi elinesine wenyanga engu-Adare, nomhla weshumi elinesihlanu kuyo iminyaka ngeminyaka yonke,
22 Njengokuba iyimihla, awapûmla ngayo ama-Yuda ezintshabeni zawo; iyinyanga esaguqulwa ngawo isinqâla saluvuyo, isijwili sangumhla wokucwayita, ayenze yona ibe yimihla yesidlo, nomvuyo, neyokutûmelana izabelo, neyokupâ amahlwempu izipô.
23 Ama-Yuda azimisela oko, abeqale ukukwenza awabâlela kôna u-Mordekayi;
24 Ngokuba u-Haman unyana ka-Hamedata, um-Agagi, umbandezeli wama-Yuda onke, wayewacingele ukuwatshabalalisa ama-Yuda, wawisa i-Puri, liqashisoke-elo, ukuba awadubadube, awatshabalalise.
25 Ekufikeni kwalonto pâmbî kokumkani watî ngencwadi, mayibuyiselwe entloko yakê ingcinga yakê embî, abeyicingele ama-Yuda, bamxôma yena nonyana bakê emtîni.
26 Ngenxa yoko batî lomihla yi-Puri beyibiza ngegama le-Qashiso. Ngenxa yoko, ngenxa yamazwi onke aloncwadi, nangenxa yawakubonayo kulonto nangenxa yawahlelwa kuko.
27 Ama-Yuda akumisa, akutâbatêla kuwo, nakwimbêwu yawo, nakubo bonke abatêlela kuwo, ngokuze kungatshitshi, ukuti ayimise lomihla yomibini ngokwesibâlo esibâlwe ngayo, nangokumiswa kwexesha layo iminyaka ngeminyaka yonke,
28 Ikûnjulwe lomihla, yenziwe kwizizukulwana ngezizukulwana zonke, kwimizalwane ngemizalwane, kumazwe ngamazwe, kwimizi ngemizi; ingatshitshi lomihla ye-Puri pakatî kwama-Yuda, ukukûnjulwa kwayo kungapêli embêwini yawo.
29 Babâla-ke o-Estere ukumkanikazi, intombî ka-Abihayili, no-Mordekayi um-Yuda, bamisa ngokuqinileyo konke lencwadi yesibini ye-Puri.
30 Watûmela incwadi kuma-Yuda onke, emazweni alikûlu elinamanci mabini anesixénxe obukumkani buka-Ahaswerosi, amazwi oxolo nenyaniso,
31 Okumisa lomihla ye-Puri ngamaxesha ayo amisiweyo, ngoko bamisa ngako o-Mordekayi um-Yuda, no-Estere ukumkanikazi, nangoko ama-Yuda azimisela ngako okwawo, nembêwu yawo amazwi okuzila ukudla nokukâla kwawo.

Digitized by Google

32 Ilizwi lika-Estere lazimisa izinto za-lo-Puri, labâlwa encwadini.

10 Ukumkani u-Ahaswerosi walifafisa ilizwe neziqiti zolwandle.
2 Konke ukwenza kokuqina kwakê, nobugoŕa bakê, nengxelo yobukûlu buka-Mordekayi, awenziwa mkûlu ngabo ngukumkani, azibâlwanga-na ezonto encwadini yemicimbî yemihla yokumkani bama-Medi nama-Persi?
3 Kuba u-Mordekayi um-Yuda ebe nganeno kokumkani u-Ahaswerosi, emkûlu kuma-Yuda, ekôlekile kuninzi lwabazalwana bakê, ebafunela abantu bakowabo okulungileyo, etêtâ uxolo kwimbêwu yonke yakowabo.

INCWADI KA-YOBI.

ISIQENDU I.

KWABE kukô indoda ezweni lakwa-Utse, egama belingu-Yobi. Yaye londoda igqibelele, itê-tye, imoyika u-Tîxo, ibupêpâ ububi.
2 Yazalelwa onyana abasixênxe nentombî ezintâtû;
3 Imfuyo yayo yayingamawaka asixênxe empahla emfutshane, namawaka amatâtû en-kamela, namakûlu amahlanu ezibini zenkomo, namakûlu amahlanu emazi zamaesile, nabakônzi abaninzi kunene; yaba nkulu-ke londoda kubo bonke onyana belasempumalanga.
4 Onyana bakê bebeqêle ukuya kwenza isidlo endlwini yalowo ibi yimini yakê; batûmele bameme odade babo bobatâtû, ukuba badle basele nabo.
5 Kwatî, yakuba izungulezile imihla yesidlo, watûmela u-Yobi, wabangcwalisa, wavuka kusasa, wanyusa amadini anyukayo ngokwenani labo bonke bepêla; kuba u-Yobi ebesitî, Mhlaumbî onyana bam bangaba bônile, bamlahla u-Tîxo entliziyweni yabo. Ube senje-njalo-ke u-Yobi lomihla yonke.

6 Kwati ngamhla utîle, onyana baka-Tîxo beza kuzimisa pâmbî ko-Yehova, weza no-Satana pâkatî kwabo.
7 Watî u-Yehova ku-Satana, Uvela pîna? U-Satana wampêndula u-Yehova, watî, Ekutŷutŷatŷutŷeni emhlabeni nasekuhambâhambêni kuwo.
8 Watî u-Yehova ku-Satana, Usigqalilena kodwa isicaka sam u-Yobi; ukuba akukô unjengaso emhlabeni, indoda egqibeleleyo, etê-tye, emoyikayo u-Tîxo, ebupêpâyo ububi.
9 U-Satana wampêndula u-Yehova, watî, U-Yobi lo ufumana amoyikela-na u-Tîxo?
10 Akutê-na wena wambiyela wamjikeleza, wayijikeleza indlu yakê, wayijikeleza into yonke anayo ngenxa zonke? wawusikelela umsebenzi wezandla zakê; imfuyo yakê yaligqiba ilizwe.
11 Kodwa-ke kâuse isandla sako ngoku, ucûkumise into yonke anayo, ukuba akayi kukulahlana nawe-lo, akwenze oko pâmbî kwakô.
12 Watî u-Yehova ku-Satana, Yabona, konke anako kusesandleni sakô; ke kuye ngokwakê mus'ukusa sandla sakô. Wapûma-ke u-Satana, wemka ebusweni buka-Yehova.

13 Kwatî ngamhla utîle, onyana bakê nentombî zakê babesidla, besela i-wayini endlwini yomkûluwa wabo omkulu,
14 Kweza umtûnywa ku-Yobi, watî, Inkomo bezilima, nama-esile ebesidla ecaleni lazo;
15 Agaleleka ama-Sheba, azitîmbâ, ababulala abafana ngohlangotî lweŕele, ndim ndedwa osindileyo ukuza kukuxelela.
16 Esatêtâ lo, kwafika omnye, watî, Umlilo ka-Tîxo uwe ezulwini, wayitshisa impahl' emfutshane nabafana, wabatshabalalisa; ndim ndedwa osindileyo ukuza kukuxelela.

Digitized by Google

17 Esatêtâ lo, kwafika omnye watî, A-ma-Kaledi amisa amaqela amatâtû, azingenela in-kamela, azitîmbâ, ababula abafana ngohlangotî lweřele; ndim ndedwa osindileyo ukuza kukuxelela.

18 Esatêtâ lo, kwafika omnye, watî, Onyana bakô nentombî zakô babesidla, besela i-wayini endlwini yomkûluwa wabo omkûlu;

19 Nanko kuvela umoya omkûlu ngasentlango, wabetâ ezimbômbêni zone zendlu, yabawela abafana-abo, bafa; ndim ndedwa osindileyo ukuza kukuxelela.

20 Wesuka u-Yobi, wayiřazula ingubo yakê yokwaleka, wayicêba intloko yakê, wawa emhlabeni, waqubuda,

21 Watî, Ndapûma ndizé esizalweni sikamâ, ndiya kubuyela kôna ndikwazé; u-Yehova wanika, ikwangu-Yehova otâbatileyo, ſgama lika-Yehova malibongwe.

22 Kuko konke oko akônanga u-Yobi, akamenza ihilihili u-Tîxo.

2 Kwatî ngamhla utîle, onyana baka-Tîxo beza kuzimisa pâmbî ko-Yehova, weza no-Satana pâkatî kwabo, ukuba azimise pâmbî ko-Yehova.

2 Watî u-Yehova ku-Satana, Uvela pîna? U-Satana wampêndula u-Yehova, watî, Ekutſutſatſutſeni emhlabeni nasekuhambâhambêni kuwo.

3 Watî u-Yehova ku-Satan, Usigqalilena kodwa isicaka sam u-Yobi? ukuba akukô unjengaso emhlabeni, indoda egqibeleleyo, etê-tye, emoyikayo u-Tîxo, ebupêpâyo ububi: esabambêleleyo ekugqibeleleni kwayo, noko undixôkonxele, ukuba ndiyiginyele ilizé?

4 U-Satana wampêndula u-Yehova, watî, Ulusû ngenxa yolusû; konke anako umntu wokunika ngenxa yompêfumlo wakê.

5 Kodwa-ke kâuse isandla sako ngoku, ucûkumise ematânjeni akê nasenyameni yakê, ukuba akayi kukulahlana nawe-lo, akwenze oko ubona.

6 Watî u-Yehova ku-Satana, Nanko esesandleni sakô, kupêla wogcina umpêfumlo wakê.

7 Wapûma-ke u-Satana, wemka ebusweni buka-Yehova; wambetâ u-Yobi ngamatûmbâ amabi, watâbatêla entendeni yonyawo lwakê, wesa elukakayini lwakê.

8 Watâbatâ ukâmbâ, ukuba azikûhle ngalo, ehleli elutûtſeini.

9 Watî umkakê kuye, Usabambêlele-na ekugqibeleleni kwakô? mlahle u-Tixo, ufe.

10 Watî yena kuye, Utêtâ njengesidengekazi. Siya kwamkela okulungileyo ku-Tîxo, singamkeli nokubi yinina? Kuko konke oko akônanga u-Yobi ngomlomo wakê.

11 Kekaloku izihlobo ezitâtû zika-Yobi zabuva bonke obobubi bumfikeleyo, zeza, saeso sivela endaweni yaso, u-Elifazi wakwa-Teman, no-Biledadi wakwa-Shuwa, no-Tsofare wase-Nahama. Banqopisana ukuba beze, bamkûze, bamtûtûzele.

12 Bapâkamisa amehlo abo besekude, abamazi; bapâkamisa izwi labo, balila; baſazula elowo ingubo yakê yokwaleka, bazigalela ngotûli entloko, belupôsa pêzulu ezulwini.

13 Bahlala naye emhlabeni apô imini zasixênxe nobusuku bazo; kungekô namnye utêtâ naye, kuba babebona ukuba umvandedwa wakê mkûlu kakûlu.

3 Emveni koko u-Yobi wawuvula umlomo wakê, wayiqalekisa imini yakê.

2 Wasusela u-Yobi, watî,

3 Mayidake imini êndazalwa ngayo,
Nobusuku ekwatîwa, Kukâulwe indoda.

4 Lomini mayibe bubumnyama,
Angayinyamekeli u-Tîxo pêzulu,
Kungayibengezeli ukukânya.

5 Mayikûlulwe ngentlaulelo bubumnyama netûnzi lokufa,
Makulale amafu pêzu kwayo;
Mayidandatêkiswe kokuncôlisa imini.

6 Obobusuku—masibubambê isitôkotôko;
Mabungavuyi pâkatî kwemihla yomnyaka;
Mabungangeni enanini lenyanga.

7 Yabona, obobusuku mabube ludlolo:
Makungezi kumemelela kubo.

8 Mababuqalekise abaqalekisi bemihla,
Abaxôbele ukuxôkonxa u-Leviyatan.

9 Mazibe mnyama inkwenkwezi zomso wabo obomvu;
Mabulinde ukufika kokukânya, kungabikô;
Bungaziboni inkope zesifingo;

10 Ngokuba bungazivalanga ingcango zesizalo esandizilayo,

Digitized by Google

Bungabusitêlisanga ububi emehlweni am.
11 Ibi yinina ukuba ndingafeli embîlinini?
Ndingapûmi umpêfumlo, ndisavela esizalweni?
12 Bekunganina ukuba amadolo andihlangabeze?
Ibi yinina ukuba *andihlangabeze* amabele, ukuze ndiwanye?
13 Kuba ngoku ngendiba ndilele, ndazola;
Ngendiba ndalala ubutôngo; ndândul' ukupûmla:
14 Nokumkani namapâkatî elizwe,
Abo bazakêlayo amanxuwa;
15 Nabatêtêli abane-golide,
Abazizalisayo izindlu zabo nge-silvere:
16 Ngendiba andikô njengemva-mbîlini eselelweyo;
Njengabantwana abangabonanga kukânya.
17 Kuba apô, abangendawo bakuyekile ukugungqa;
Kôna apô bayapûmla abapêlelwe ngamandla.
18 Abakônxiweyo bonwabile ndaweninye;
Abasaliva izwi lomqûbi.
19 Omncinane nomkûlu—kôna bayalingana;
Ikôboka likûlulekile enkosini yalo.
20 Yinina ukuba abasebubini abanike ukukânya,
Nabampêfumlo ufafa abanike ubomi?
21 Abalinde ukufa, kusuke kungabikô;
Abakumbâyo ngapézu kobutyebi obuselelweyo;
22 Abavuya bade bagcobe,
Babe nemihlali, xa batê bafumanana nencwaba?
23 Ukuba akunike umfo ondlela isitêleyo,
Obiyelweyo ngu-Tîxo ngenxa zonke?
24 Kuba endaweni yesonka sam kusiza ukugcuma,
Kupâlazeka njengamanzi ukugquma kwam.
25 Kuba ndinkwantya kokunkwantyisayo, kwaza kwandifikela;
26 Ndatî ndingacûlumacânga, ndingazolanga, ndingapûmlanga;
Kweza-ke ukugungqa.

4 Wasusela u-Elifazi wakwa-Teman, watî,
2 Kungakudinisa-na, kwakulingwa ukubêkiswa ilizwi kuwe?
Engubanina onako ukuzibambâ angatêtî?
3 Yabona, utêtise abaninzi,
Wazomeleza izandla eziwileyo;
4 Ukutêtâ kwako kwabapâkamisa abakûbekayo,
Wawaqinisa amadolo agevegeve.
5 Kungoku-nje into ize kuwe, wadinwa;
Ifike kuwe, wakwanqiswa.
6 Ukoyika kwakô u-Tîxo asiyinqolonci yakô-na?
Itêmbâ lakô alikukugqibelela kwendlela zakô-na?
7 Kâukûmbûle, ngubanina owakê wadaka, emsulwa?
Kupina apô-ke batî-shwaka kôna abatê-tye?
8 Ngokubona, endibone ngako, abalima inkohlakalo,
Nabahlwayela ububi, bavuna kwabona.
9 Badaka ngokupêfumla kuka-Tîxo,
Bapêla ngumoya womsindo wakê.
10 Ukugquma kwengonyama, nezwi lebâvumayo,
Namazinyo engonyama ezintsha ancotûkile.
11 Ingonyama iyatshabalala ngokuswela into yokuqwenga;
Amatôle engonyamakazi acîtâkele.
12 Ndicôtelwe lizwi,
Indlebe yam yakutâbatâ ukusebeza kwalo.
13 Ezingcingangcingeni zasemibonweni yobusuku,
Bakusindwa abantu butôngo obukûlu,
14 Kwandikâulela ukunkwantya nokutûtûmela,
Kwawankwantyisa amatâmbô am amaninzi.
15 Kwatî-pê umoya ebusweni bam,
Yanamanwele inyama yam.
16 Wema, andayinakana imbônakalo yawo;
Kwakô isimilo esitîle pâmbî kwamehlo am;
Ndeva izwi elisebezayo, lisitî,
17 Umntu ulilungisa-na ngapézu ko-Tîxo?

Digitized by Google

Uhlambûlulekile-na umfo ngapêzu komenzi wakê?
18 Yabona, akakôlwa kubakônzi bakê,
Nezitûnywa zakê utî zingabapôsisi;
19 Bangabeka pîna-ke abahlala ezindlwini zadaka,
Abasiseko siselutûlini,
Abatyunyuzwa njengamanundu!
20 Kusa kuhlwe, beqôtywa;
Badake kupêle, kungekô ugqalayo.
21 Abatî-na, xa lutê lwancotûlwa kubo utâmbô lwen-tente,
Bafe bengalumkanga?

5 Kâubize kambê, ukuba ukô-na owokupêndula?
Uya kubêka kuwupîna kwabangcwele?
2 Kuba ingqumbô imbulala osimatâne,
Nekŵele limbulala osiyatâ.
3 Ndimbonile mna osimatâne emila;
Ndaza ndalishwabulela ngesiqupê ikâya lakê.
4 Bakude nosindiso abantwana bakê,
Batyunyuzwa esangweni, benge namhlanguli;
5 Ekubeni abalambîleyo besidla uvuno lwakê;
Balufole naselutângweni lwesipîngo,
Abanxaniweyo bazonda ubutyebi babo.
6 Kuba inkohlakalo ayipûmi elutûlini,
Nobubi abuntshuli emhlabeni;
7 Hayi, umntu uzalelwa ububi,
Njengokuba intlantsi zinyuka ukubaleka kwazo.
8 Ke mna bendiya kufuna u-Tîxo,
Indawo yam ndiyibêkise ku-Tîxo,
9 Owenza izinto ezinkulu ezinge nakugocagocwa,
Imisebenzi ebalulekileyo enge nakubalwa;
10 Ulonika imvula pêzu kobuso bomhlaba,
Ase amanzi pêzu kwamapândle,
11 Ukuba abatôbekileyo abamise endaweni ezipâkamileyo,
Abanezimnyama zokuzila banyukele elusindisweni.
12 Utshitshisa ingcinga zaba nobuqôpôlolo,
Zingenzi nto izimasekileyo izandla zabo.
13 Ubambîsa izilumko kubuqôpôlolo bazo,
Iqînga laba nobuqokolo linxâmisekeke.
14 Emini baqubisana nobumnyama,
Bapûtâpûtê kwemaqanda ngatî kusebusuku.
15 Usindisa ihlwempu erêleni, emlonyeni wabo,
Nasesandleni sowomeleleyo.
16 Kubekô-ke itêmbâ kosweleyo,
Ubugqŵetâ buwuvale umlomo wabo.
17 Yabona, unoyolo umntu owohlwaywa ngu-Tîxo!
Musa-ke ukukucekisa ukutêtîsa kuka-Somandla!
18 Kuba wenza buhlungu, abopê;
Uyapalusa, zipîlise izandla zakê.
19 Ezimbândezelweni ezintandatû uya kukuhlangula,
Nakwezisixênxe akuyi kucûkunyiswa bubi,
20 Endlaleni ukukûlula ekufeni;
Emfazweni ukukûlula ekuxatyelweni ngerêle,
21 Eziniyeni yolwimi uzinyezwe,
Ungoyiki imbûqu, yakufika.
22 Imbûqu nendlala uya kuyihleka,
Nerâmncwa lasendle ungaloyiki.
23 Kuba unqopîsene namatye asendle,
Amarâmncwa asendle exolelene nawe.
24 Ukwazi, ukuba uxolo yin-tente yakô;
Ulivelele ikâya lakô, ungapôsani nanto.
25 Uyazi, ukuba ininzi imbêwu yakô,
Nabapûme embîlinini wakô banjengomfuno womhlaba.
26 Uya kungena encŵabeni womelele,
Njengokungeniswa kwesitûngu ngexesha laso.
27 Bona oku, sikugocagocile, kunjalo;
Kuve, ukwazi wena ngokwakô.

6 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Ayaba ibilinganisiwe nokulinganiswa ingqumbô yam,
Kwabekwa e-zikalini ukweyela kwam ndawo-nye nayo!
3 Kuba ngoku bekuya kuba nzima ngapêzu kwentlabati yolwandle;
Kungenxa yoko lento amazwi am angawokubûda.
4 Kuba intolo zo-Somandla zimi kum,
Ezibuhlungu buwufincayo umoya wam;

Digitized by Google

Izidandatêkiso zika-Tîxo zindakêle uluhlu lokulwa.
5 I-esile lasendle likê lilile-na liseluhlazeni?
Iyalila-na inkomo isekutyeni kwayo?
6 Iyadliwa-na into ejavujavu inge natyuwa?
Sikô-na isongo kwintlak'emhlopê yeqanda?
7 Eyona nto walayo ubuyipâtâ umpêfumlo wam,
Leyo yeyona ikukudla kwam okuŕuqulayo.
8 Akwaba bendingazuza isicelo sam;
U-Tîxo andipê endikulindelayo.
9 Kukôleke ku-Tîxo ukunditymza,
Asivulele isandla sakê, andinqumle!
10 Ibiya kuhlala ikô intutûzelo yam;—
Bendiya kuxîna kwezontlungu zingacongiyo;—
Kuba andiwakânyelanga amazwi Oyingcwele.
11 Ayinto-nina amandla am, ukuba ndingade nditêmbe?
Siyinto-nina isipêlo sam, ukuba ndingade ndibe nokuzeka kade?
12 Angamandla amatye-na amandla am?
Inyama yam ilubêdu-na?
13 Akupêlile yinina kum ukuncedakala,
Ukuzimaseka kwabêjetwa kwakanye?
14 Akuhlaziswa oqôtyiweyo nguwabo
Uya kulahla ukoyika u-Somandla.
15 Abazalwana bam banginizile njengomlanjana,
Njengompântsi wemilanjana etshayo.
16 Emdaka ngumkênce,
Elizifihla kuyo ikêpu.
17 Ekufikeni kokufudumala iyabânga;
Lakubalela iti-qoko ingabikô ezindaweni zayo.
18 Uyajikajika umendo wokuhambâ kwawo,
Unyuka uye enyanyeni, udake.
19 Imikôko yakwa-Tema yabêka,
Imiqodi yakwa-Sheba yatêmbâ yona;
20 Yadana, kuba ibikôlosile;
Yafika kôna, yanentloni.
21 Kuba ngoku nisuke naba yinto engento,
Nibone ukuqîpuk' umbilini, noyika.
22 Kêndatsho-na ukutî, Etêni kum?
Ndipêni emandleni enu?
23 Nindisindise esandleni sombandezeli,
Nindikûlule esandleni sengqwanga-ngqwili?
24 Ndiyaleni, ndoti-cwaka;
Nindiqondise ukulahleka kwam.
25 Asikukô nokuba ayahlaba amazwi atê-tye!
Ke ukohlwaya kwenu kohlwaya ntonina?
26 Niba ninokohlwaya ukutêtâ oku-na?
Angumoya amazwi *omntu* oncamileyo.
27 Ke nangenkedama ningaqashisa,
Nifwebe ngowenu.
28 Makukôleke kuni ngoku nibêke kum,
Kuba okunene ebusweni benu andiyi kutêtâ amanga.
29 Kânibuye, makungabikô bugqwêtâ;
Nipînde nibuye, ubulungisa bam bukulento.
30 Bukô-na ubugqwêtâ elulwimini lwam?
Amakûhlanguba am angekuqondi-na ukweyelisela?

7 Akapûme mkôsi-na emhlabeni umntu;
Ayinjengemihla yomqeshwa-na imihla yakê?
2 Njengomkônzi obezonda umtûnzi,
Njengomqeshwa olinde umvuzo wakê?
3 Ndenje njalo ukwamkeliswa inyanga ezinenkohliso.
Ndabalelwa nobusuku bobubi.
4 Ndakuba ndilele pântsi, nditî,
Ndiya kuvuka ninina? ukuhlwa kolukile,
Ndidikiwe kuqikaqikeka kude kuse.
5 Inyama yam yambêswe impetû namagada omhlaba;
Ulusû lwam lungamaqûla, lubîqiza.
6 Imihla yam ikâuleza ngapêzu komkônjana womluki,
Ipêla kungekô têmbâ.
7 Kûmbûla ukuba bungumoya ubomi bam;
Iliso lam alikubuye likubone okulungileyo.
8 Aliyi kuba sandalama iliso londiboni-leyo;
Amehlo akô ekum, ndingabikô.
9 Lipêlile ilifu, limkile;
Unjalo ohla aye kwelabafileyo, akenyuki.
10 Akabi sabuyela endlwini yakê,
Ingabi samazi indawo yakê.
11 Nam andiyi kuwubambâ umlomo wam;

Digitized by Google

Ndiya kutêtâ ekubandezelweni komoya wam,
Ndikâlaze eburarêni bompêfumlo wam.
12 Ndilulwandle-na, ndiyingwenya-na,
Ukuba undimisele umlindo?
13 Xa bendisitî, Yonditûtûzela i-koyi yam,
Sonditwalisisa inkâlazo yam isinqênqelo sam:
14 Wesuka wena wandoyikisa ngamapûpâ,
Wandidandatêkisa emibonweni,
15 Wada wanyula ukurwitshwa umpêfumlo wam,
Wanyula ukufa ngapêzu kwamatâmbô la.
16 Ndiruqukile, andingi ndingadla bomi ngonapâkade;
Ndiyeke, kuba ingumpûnga imihla yam.
17 Uyinto-nina umntu-lo, lento umkûlisayo,
Lento uyisingise kuye intliziyo yakô,
18 Umvelele imiso yonke,
Umcikide imizuzu yonke?
19 Kuninina ungawasusi amehlo kum,
Ungandiyeki, kendiginye amatê?
20 Nditê ndôna, ndingakwenza nto-nina?
Wena mlindi woluntu,
Yinina ukuba undenze i-tîkini,
Ndibe ngumtwalo kum?
21 Yinina ukuba ungasixoleli isirêqo sam, ungabudlulisi ubugwenxa bam?
Kuba kaloku ndiya kuzilalisa elutûlini;
Undondele kakûlu, ndingabikô.

8 Wasusela u-Biledadi wakwa-Shuwa, watî,
2 Kuninina utêtâ izinto ezinje?
Engumoya omkûlu amazwi omlomo wakô?
3 U-Tîxo angakugwenxa-na okusesikweni?
U-Somandla angabugwenxa-na ubulungisa?
4 Ukuba abantwana bakô batê bamôna yena
Wabanikela esandleni sesirêqo sabo.
5 Ukuba utê wamfuna ngenkutâlo u-Tîxo wena,
Watafuzisa ku-Somandla,
6 Ukuba utê waqaqambâ, watî-tye wena,
Okunene, wovuka ngoku ngenxa yakô,
Alisikelele ikâya lobulungisa bakô;
7 Kutî ukuqala kwakô kube kuyinto encinane,
Ukupûma kwakô koba kukûlu kakûlu.
8 Kuba kâubuze kwisizukulwana sapâmbîli;
Uxunele ekugocagoceni koyise baso:
9 Kuba singabezolo tîna, asinakwazi;
Ngokuba isisitûnzi imihla yetû emhlabeni.
10 Abayi kukuyala-na abo, batêtê kuwe,
Bafole amazwi entliziyweni yabo?
batî,
11 Iyakûla-na imikânzi, kungekô mgxobozo?
Iyahluma-na ingcobo, kungekô manzi?
12 Iseluhlaza ingekapîwa;
Yoyipângela incâ yonke ngokoma.
13 Unjalo umendo wabo bonke abamlibalayo u-Tîxo,
Netêmbâ lomkôhlisi liyadaka;
14 Ngokuba ukugasa kwakê kunqunyulwa;
Yindlu yesigcawu ukukôlosa kwakê.
15 Wayama ngendlu yakê, ingemi;
Ubambêlela kuyo, ingahlali.
16 Uluhlaza pâmbî kwelanga,
Namangatya akê ayaqabela eludongeni lwentsimi yakê;
17 Ingcambû zakê zijijene emweweni,
Utyudisa ezingcambêni zamatye.
18 Ukuba utê wamginya endaweni yakê,
Yomkânyela itî, Andikubonanga.
19 Yabona, yiyo imihlali yendlela yakê,
Ize elutûlini kuntshule abanye.
20 Yabona, u-Tîxo akamcekisi ogqibeleleyo,
Akababambî ngesandla abenzi bobubi.
21 Abe ewuzalisa umlomo wakô ngokuhleka,
Nemilebe yomlomo wakô ngokuduma:
22 Abakutîyayo baya kwambâtâ ukudana,
Ingabi sabikô in-tente yabangendawo.

Digitized by Google

9 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Okwenene, ndiyazi ukuba kunjalo:
Ke angatî-nina umntu-lo ukuba lilungisa pâmbî ko-Tîxo?
3 Ukuba utê yena wafuna ukubambâna naye,
Ubengempênduli namnye *umbuzo* kweliwaka.
4 Ulumkile ngentliziyo, ukâlipile ngamandla:
Ngubanina okê agogotye kuye, aze asinde?
5 Uloshenxisa intaba zingazi,
Ukuba azibûkuqe ngomsindo wakê;
6 Ulogungqisa umhlaba, usuke endaweni yawo,
Zididizele intsika zawo;
7 Ulotêtâ elangeni lingapûmi,
Azitywine azivingce inkwenkwezi ngenxa zonke;
8 Ulotwabulula amazulu eyedwa,
Anyatêle emimangweni yolwandle;
9 Ulowenza inkwenkwezi ze-Bere, namaroza, nesilimela,
Nengontsi zase-Zantsi.
10 Ulowenza izinto ezinkulu ezinge nakugocagocwa,
Nemisebenzi ebalulekileyo enge nakubalwa.
11 Yabona udlula pêzu kwam, ndingamboni;
Utî-pê, ndingamqondi.
12 Yabona, exŵila, ngubanina ongamnqandayo?
Ngubanina ongatî kuye, Wenza ntonina?
13 U-Tîxo akawunqandi umsindo wakê;
Bayasibekeka pântsi kwakê abancedi baka-Rahabi.
14 Ndingatî-nina-ke mna ukumpêndula,
Ndiwakêtê amazwi am okupêndula kuye.
15 Nokuba bendililungisa mna, bendingempênduli;
Ndingatafuzisa kupêla kumgwebi wam.
16 Ukuba benditê ndabiza, wandipêndule,
Bendingekôlwe ukuba ulibekele indlebe izwi lam;
17 Kanye ubeya kundityumza ngoqŵitêla,
Awandise amanxeba am ngelizé.
18 Angandipî nokuba ndipêfumle,
Ke ubeya kundihlutisa ngobufafa.
19 Ukuba yinto yamandla ekâlipa, utî,
Ndim okôyo!
Ukuba yinto yomgwebo, utî, Ngubanina oya kundimema?
20 Ukuba benditê ndililungisa, umlomo wam ubuya kundigweba;
Ukuba benditê ndigqibelele, ubeya kundenza umjibilizi.
21 Ndigqibelele; andiwukâtâlele umpêfumlo wam;
Ndiyabucekisa ubomi bam.
22 Kunye oko; ngenxa yoko nditî,
Ogqibeleleyo nongendawo uyabatshabalalisa.
23 Ukuba iziniya itê yabulala ngesiqupê,
Uyakugculela ukuqôtywa kwabamsulwa.
24 Umhlaba unikelwe esandleni sabangendawo,
Uyabugqubutêla ubuso babagwebi bawo.
Ukuba kanti akunjalo, kwenziwe ngubanina-ke?
25 Imihla yam ikâuleze ngapêzu kwesigidimi;
Ibalekile, ayibonanga kulungileyo;
26 Itê-pê njengemikômbê yengcongolo,
Njengexâlanga lixŵila ukudla.
27 Ndakutî, Ndiya kuyilibala inkalazo yam,
Ndibuyeke ubuso bam, ndincumeze:
28 Ndisuka ndinxungupâle zimbûlaleko zam zonke,
Ndazi ukuba akuyi kutî ndimsulwa.
29 Kutîwa ndingongendawo mna;
Yinina lento ndifumane ndizixâmle?
30 Nokuba benditê ndazihlambâ ngamanzi ekêpû,
Ndazihlambûlula izandla zam ngesepa:
31 Ubuya kunditî-gxwa emhadini,
Ndibe lisikizi nakwingubo zam.
32 Kuba akamntu yena njengam-nje, ukuba ndimpêndule,
Siye ndawo-nye ematyaleni.
33 Akukô mahluli pâkatî kwetû,
Wokubeka isandla sakê pezu kwetû sobabini.
34 Makayisuse intonga yakê kum,
Isitûso sakê masingandidandatêkisi:
35 Ndotêtâ-ke ndingamoyiki;
Kuba andivi kunjalo mna eluvalweni wam.

Digitized by Google

10 Umpêfumlo wam udimele bubomi bam;
Ngoko ndiya kuyivulela inkalazo yam pâkatî kwam;
Nditêtê uŕaŕa umpêfumlo wam;
2 Nditî ku-Tîxo, Mus' ukundigweba;
Ndazise ukuba ubambêne nam nganina?
3 Kulungile-na kuwe ukuba ucudise,
Ukuba ucekise ukuxelenga kwezandla zakô,
Ulibengezelele iqînga labangendawo?
4 Unamehlo enyama-na,
Ubona ngokubona komntu-na?
5 Injengemihla yomntu-na imihla yakô,
Iminyaka yakô injengemihla yomfona,
6 Ukuba-nje ubufune ubugwenxa bam,
Usinxôke isono sam?
7 Usazi-nje ukuba andingongendawo;
Nokuba akukô unokuhlangula esandleni sakô.
8 Izandla zakô zindiyilile zandenza,
Ndonke ngenxa zonke, uyandiginya noko.
9 Kâukûmbûle, ukuba undenze ngokodongwe;
Ke undibuyisa undise elutûlini.
10 Akunditûlulanga-na njengamasi,
Wandivutîsa njengenqâka?
11 Wandambêsa ngolusú nenyama,
Wandipîngela ngamatâmbô nemisipâ.
12 Undenzele ubomi nenceba,
Nokuvelela kwakô kwawugcina umoya wam.
13 Ezizinto-ke wazigusha entliziyweni yakô;
Ndiyazi ukuba ubunalendawo yokutî:
14 Ukuba nditê ndôna, wondibambâ undilinde,
Ungandenzi msulwa ebugwenxeni bam.
15 Ukuba nditê ndangongendawo, atî-ke mna!
Ukuba nditê ndalilungisa, ndingayipâkamisi intloko yam;
Ndihlutî kukucukuczwa
Nakukubona intsizi zam.
16 Nokuba itê yazipâkamisa *intloko yam*, wondizingela njengengonyama,
Ubuye wenze ngokubalulekileyo kum.
17 Uhlaziye amanqîna akô pâmbî kwam;
Uyandise ingqumbô yakô kum,
Ibe kukukûlulana kwemikôsi eza kum.
18 Ibiyinina-ke ukuba undikûpê esizalweni?
Ngendapûma umpêfumlo, andabonwa liso,
19 Ndanga andibangakô,
Ngendasuswa esizalweni ndasiwa encŵabeni.
20 Ayimbalwa-na imihla yam? makayeke,
Adede kum, ndikê ndincumeze kancinane,
21 Pâmbî kokuba ndihambê, ndingabi sabuya,
Ndiye ezweni lobumnyama neletûnzi lokufa,
22 Ezweni elisongelwe bubumnyama njengesitôkotôko,
Letûnzi lokufa nelesidubedube,
Elinkazimlo injengesitôkotôko.

11 Wasusela u-Tsofare wase-Nahama, watî
2 Lento ininzi yamazwi ayi kupêndulwa-na,
Indoda elipôlopôlo igwetyelwe-na?
3 Ukupôloloza kwakô kuya kubetâ atîtu-na amadoda,
Ukuba ugculele, kungabikô ukuhlazayo?
4 Utî, Iqaqambîle imfundiso yam,
Ndinyulu emehlweni akô.
5 Kodwa akaba•u-Tîxo ubetêtâ,
Avule umlomo wakê kuwe;
6 Akuxelele imfihlakalo zobulumko,
Ukuba bupîndeke kabini, bayinto ezimasekileyo;
Ubuya kwazi-ke ukuba u-Tîxo wenze ukuba ubulibale ubugwenxa bakô.
7 Unokufikelela-na ezingontsingontsini zika-Tîxo,
Unokufikelela-na ekufezekeni kuka-Somandla?
8 Kupâkame ngokwezulu, unokwenza nto-nina?
Kunzulu kunelabafileyo, unokwazi ntonina?
9 Kukude kunomhlaba ukulinganiswa kwakô,
Kubanzi kunolwandle.
10 Ukuba utê-pê yena, wavingcela,
Wamemela ematyaleni, ngubanina onokumnqanda?

Digitized by Google

11 Kuba yena uyabazi abantu abakohlakeleyo,
Uyabubona ubutshinga engaqondelanga.
12 Nomntu onjengesidenge angaba nokuqonda,
Netôle le-esile lasendle lingaba nokuzalwa lingumntu.
13 Ukuba utê wena wabêkisa intliziyo yakô *kuye*,
Wazolulela izandla zakô kuye;—
14 (Ukuba kutê kwakô inkohlakalo esandleni sakô, yise kude,
Ungabuhlalisi ubugqwêtâ ezin-tenteni zakô);—
15 Okunene, uya kwandula ukubupâkamisa ubuso bakô bunge nasisihla,
Utî-bûxe, ungoyiki.
16 Kuba wokulibala ukwapûka kwakô,
Ukukûmbûle njengamanzi adluleyo;
17 Ukudla kwakô ubomi kuvuke *kuqaqambê* ngapêzu kwemini enkulu;
Nakuba kusongelwe emnyameni, kokânya njengokusa;
18 Ukôlose, ngokuba sekukô itêmbâ,
Uhlole, ulale pântsi enkolosekweni;
19 Ubutûme, kungekô utûsayo,
Bakuncekelele abaninzi.
20 Ke wona amehlo abangendawo apêlelwe,
Idake kubo indawo yokusabela,
Itêmbâ labo libe kupûma umpêfumlo.

12 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Kambê, nini abantu;
Buya kufa nani ubulumko.
3 Nam-ke ndinentliziyo njengani;
Andiwi nganeno kwenu.
Ngubanina ongazaziyo izinto ezinjalo?
4 Ndiyintlekisa kuwetû mna;
Ebendingonqula u-Tîxo, andipêndule;
Uyintlekisa olilungisa, ogqibeleleyo.
5 Onelishwa yinto yokudelwa ngokwamabôngo abonwabileyo;
Kulungiselwe abanyawo zikûbekayo.
6 Kukô ukucûlumâca ezin-tenteni zababûqi,
Bakôlosile abamqumbîsayo u-Tîxo,
Abafumbâtâ u-Tîxo esandleni sabo.
7 Kodwa kâubuze ezinkomeni: zokuyala;
Nasezintakeni zezulu: zokuxelela;
8 Têtâ nomhlaba, wokuyala;
Zokubalisela nentlanzi zolwandle.
9 Ngubanina ongaziyo ngezozinto zonke,
Ukuba sisandla sika-Yehova esikwenzileyo oko?
10 Usesandleni sakê umpêfumlo wezinto zonke ezipîlileyo,
Nomoya wenyama yonke eyiyeyomntu.
11 Indlebe ayi kukucikida-na ukutêtâ,
Namakûhlanguba akuve ukudla?
12 Emaxêgweni kusebulumkweni,
Ebudeni bemihla kusengqondweni.
13 Bukuye ubulumko nobugofa,
Lelake icebo nengqondo.
14 Yabona, ugungxula, kungakîwa.
Uyamvalela umntu, kungavulwa.
15 Yabona uyawavala amanzi, atshe;
Uyawavulela alipêtûle ilizwe.
16 Anaye amandla nozimaso;
Ngowakê odungudelayo nodungudelisayo.
17 Umkisa amapâkatî ebûnyulwe,
Abagezise nabagwebi.
18 Ukûlula imbopêlelo yokumkani,
Abopê umbînqo emanqeni abo.
19 Umkisa abenzeleleli bebûnyulwe;
Abazizimakade abapênule.
20 Ususa intetô kwabanyanisekileyo,
Ayitâbatê imvo kumadoda amakûlu.
21 Upâlazela amanene ngendelo,
Acombûlule uqwemesha lwabazingqwemla.
22 Utŷila inzulu zasebumnyameni,
Alikûpêle emhlotsheni itûnzi lokufa.
23 Ukûlisa intlanga, azitshabalalise;
Uzipângalalisa intlanga, azifuduse.
24 Ususa ingqondo kwintloko zabantu balo ilizwe,
Azibâdulise enyanyeni enge nandlela.
25 Zipâmza emnyameni kungekô kukânya,
Azibâdulise njengamanxila.

13 Yabona, konke oko likubonile iliso lam,
Yakuva indlebe yam, yakuqonda.
2 Njengoko nazi ngako ndiyazi nam,
Andiwi nganeno kwenu.
3 Kodwa mna ndinga ndingatêtâ ku-Somandla,
Ndifuna ukuzihlambâ ku-Tîxo.
4 Kodwa-ke nina ningabadyobi ngobuxoki,
Ningamagqifa ange-nto nonke nipêla.
5 Anaba benitê-tu kanye:

Digitized by Google

Beniya kuba nilumkile.
6 Kânipûlapûle-ke ukuzihlambâ kwam,
Ukupika komlomo wam nikubazele indlebe.
7 U-Tixo niya kumtêtêlela ngobugqwêtâ-na,
Nimtêtêlele ngenkohliso-na?
8 Niya kumnonelela-na,
Nimpîkele u-Tixo-na?
9 Kolunga-na xa atê wanigocagoca?
Ninokumgculela-na, njengokuba enokugculelwa umntu?
10 Wonohlwaya inene,
Ukuba nitê ngasese nanonelela umntu.
11 Ubungangamela bakê abukunidandatêkisa-na,
Kuniwele ukunkwantyisa kwakê?
12 Izikûmbûzo zenu yimizekeliso yotûtû;
Ingqolo zenu zoba zingqolo zodaka.
13 Yitîni-tu, ndiyekeni, ukuze nditêtê,
Kundihlele okundihlelayo.
14 Kunganina ukuba ndiyipâtê inyama yam ngamenyo am,
Umpêfumlo wam ndiwubeke ezandleni zam?
15 Yabona, nokuba utê wandibulala, ndolindela kuye;
Kodwa ndozihlambâ indlela zam ebusweni bakê.
16 Kwa oko koba lusindiso kum;
Okokuba intshembenxa ingayi kuza ebusweni bakê.
17 Yivani, nikuve ukutêtâ kwam,
Nengxelo yam ngendlebe zenu.
18 Kânibone, ndilicacisile ityala lam;
Ndiyazi ukuba ndiya kugwetyelwa mna.
19 Ngubanina-ke ongabambâna nam?
Kuba bendiya kutî-tu kaloku, ndipûme umpêfumlo.
20 Kodwa izinto ezimbîni mus' ukuzenza kum,
Ndize ndingazisitêlisi ebusweni bakô:
21 Isandla sakô sise kude kum,
Nesitûso sakô singandidandatêkisi.
22 Biza-ke ndisabele mna;
Mhlaumbî nditêtê, undipêndule.
23 Zingapîna izenzo ezigwenxa nezono zam?
Ndazise isiteqo sam nesono sam.
24 Yinina ukuba ubusitêliso ubuso bakô,
Ube ndilutshaba kuwe?
25 Uya kungcangcazelisa ugxotê igqabi elipêtshetwayo-na,
Usukele umququ owomileyo-na?
26 Ngokuba uzibâlela kum izinto eziraŕa,
Undidlisa ilifa lezenzo ezigwenxa zobutsha bam;
27 Uzifaka e-stokisini inyawo zam,
Uwugqala wonke umendo wam,
Uziŕwelela umda ojikelezayo izitênde zenyawo zam;
28 Mna lo uhageleyo njengevitî,
Njengengubo edliwe ngamanundu.

14 Umntu, into ezelwe ngumfazi,
Imihla yakê mifutshane, izele zinkatâzo.
2 Upûma njengentyantyambô, abune;
Ubaleka njengetûnzi, angemi.
3 Onjalo umvelela ngeliso lakô,
Undimise mna ematyaleni pâmbî kwakô?
4 Akwaba bekukô ohlambûlukileyo opûme koyinqambî!
Akukô nokuba abe mnye.
5 Imisiwe-nje imihla yakê,
Liyaziwa nguwe inani lenyanga zakê,
Umenzele-ke umda wakê onge nakugqitwâ;
6 Susa amehlo akô kuye, apûmle,
Ade akôliswe njengomqeshwa yimini yakê.
7 Kuba kukô itêmbâ emtîni:
Ukuba utê wagaulwa, wobuya uhlume,
Igatya lawo lingapêli.
8 Ukuba itê yandala ingcambû yawo emhlabeni,
Safa isibili sawo elutûlini:
9 Ngecumbâ lamanzi wodubula,
Wenze amasebe njengesitôdlana.
10 Ke yena umfo ufa angquleke;
Umntu upûma umpêfumlo, abe pînake?
11 Amanzi aselwandle ayemka,
Umlambô uyatsha, wome:
12 Umntu ulala pântsi-ke, angavuki;
Ade amazulu angabikô bengaqabuki,
Bangavuswa ebutôngweni babo.
13 Akwaba ubungandigushayo kwelahafileyo,
Undisitêlise ude ubuye umsindo wakô;
Undimisele umda, undikûmbûle-ke!
14 Ukuba utê wafa umfo, wopila-na?
Yonke imihla yokupûma kwam umkôsi bendinga ndingalinda,
Kude kufike ukukûlulwa kwam.

Digitized by Google

15 Ubungabizayo-ke ndisabele mna;
Uwulangazelele umsebenzi wezandla zakô;
16 Kuba ngoku uyawabala amabanga am,
Akuzigcinile ngenxa yesono sam.
17 Sityiniwe savingcelwa enxôweni isifeqo sam;
Wahlomela ebugwenxeni bam.
18 Kodwa intaba isiwa iyagubeka;
Ilwa liyashenxa endaweni yalo;
19 Amanzi ayawadla amatye;
Izipângo zawo ziyalukûkulisa utûli lomhlaba;
Itêmbâ lomntu uyalidakisa-ke.
20 Uti-gaga pêzu kwakê kupêle, emke;
Uguqula ubuso bakê, umgxotê.
21 Bayazuka abantwana bakê, angazi yena;
Baba zimbêdlenge, angagqali yena.
22 Kuye yedwa ibuhlungu inyama yakê,
Umpêfumlo wakê uyalila ngapâkatî.

15 Wasusela u-Elifazi wakwa-Teman, watî,
2 Isilumko sipêndula ngokwazi okungumoya-na,
Sizalise umbîlini waso ngolopû lwasempumalanga?
3 Kêsohlwaye ngentetô engancediyo-na,
Nangokukuluma okungasizi lutô-na?
4 Pêzu koko wena utshitshise ukoyika *u-Tixo*,
Wancipîsa ukutêlekelela pâmbî ko-Tixo;
5 Ngokuba ubugwenxa bakô bufundisa umlomo wakô,
Unyule ulwimi lwaba nobuqôpôlolo.
6 Ngumlomo wakô okugwebayo, asindim;
Ngumlomo wakô okupêndulayo.
7 Nguwe-na owazalwa kuqala, wangumntu?
Waveliswa ngenimbâ ngapâmbî kwenduli?
8 Waukô-na egquguleni lika-Tixo?
Wabutsalela kuwe-na ubulumko obo?
9 Wazi nto-nina, esingayaziyo tîna?
Uqonde nto-nina, engekôyo natî kutî?
10 Kunje tîna sizingwevu namaxêgo,
Amadala nakuyihlo ngokuzalwa.
11 Zincinane-na kuwe intutûzelo zika-Tixo,
Nelizwi elitêtê kuhle nawe?
12 Imka nanto-nina intliziyo yakô?
Apânyazela nto-nina amehlo akô?
13 Lento ukuguqulela ku-Tixo ukufutâ kwakô,
Ukûpê ukutêtâ emlonyeni wakô.
14 Uyinto-nina umntu, ukuba aqaqambê?
Abe lilungisa ozelwe ngumfazi?
15 Yabona, nabangcwele bakê akakôlwa ngabo,
Namazulu akaqaqambîle emehlweni akê.
16 Ubeke pîna olisikizi oyimbôzisa,
Umntu-lo usela ubugqwêtâ njengamanzi?
17 Ndokuxelela, ndipûlapûle;
Endikubonileyo ndikubalisele;
18 Okwaxelwa zizilumko,
Kuvela koyise, zaza aza kufihla.
19 Lanikwa zona zodwa ilizwe,
Akwangena wasemzini pâkatî kwazo,
20 Yonke imihla yakê ongendawo uyazibijabija;
Inani leminyaka liqwetyelwe ingqwangangqwili.
21 Kumi izwi lokunkwantyisa ezindlebeni zakê,
Eluxolweni uyamfikela umbûqi.
22 Akakôlwa ukuba uya kubuya emnyameni;
Ke yena uqwetyelwe ifele.
23 Upâlapâlela isonka, esitî, Sipîna?
Uyazi ukuba ulungiselwe imini yobumnyama ecaleni kwakê.
24 Udandatêkiswa yimbândezelo nayineuteko,
Itî-gaga pêzu kwakê njengokumkani olungiselwe isipêndu sokulwa.
25 Ngokuba esolulele ku-Tixo isandla sakê,
Wazenza igoda ku-Somandla;
26 Wamgila, wolula intamo,
Ngamaqûbu angqingqwa engweletshetshe zakê;
27 Ngokuba egubungele ubuso bakê ngamanqatâ akê,
Watyeba wanamanqatâ emihlubulweni yakê;
28 Wema imizi engamanxuwa,
Nezindlu ezingeza kuhlalwa,
Ezamiselwa ukuba zibe yimiwewe.
29 Akayi kuba sityebi, abuyi kuma ubutyebi bakê,
Inzuzo yakê ayi kunaba emhlabeni.
30 Akayi kusinda ebumnyameni;

Digitized by Google

Igatya lakê liya komiswa ngedangatye;
Emke ngokufutâ komlomo wakê.
31 Okohliswayo makangatêmbêli kumampunge;
Kuba inkohlakalo iya kuba lulwanano lwakê.
32 Kozaliseka oko ingekabi yimini yakê;
Isebe lakê lesundu lingabi luhlaza.
33 Wowisa njengom-diliya uwisa i-diliya zawo eziſwala,
Avutûlule njengomnquma intyantyambô yawo.
34 Kuba ibandla lentshembenxa liya kuba njengento elugodo,
Umlilo uzitshise in-tente zokucenga.
35 Bakâula ububi, bazale ubutshinga;
Umbîlini wabo usebenze inkohliso.

16 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Ndive izinto ezininzi ezinjengezo;
Ningabatûtûzeli abayindinisa nonke nipêla.
3 Apêlile-na amazwi angumoya?
Uxôkonxwa yinto-nina ukuba upêndule?
4 Nam bendingatêtâyo njengani,
Ukuba umpêfumlo wenu ubusendaweni yompêfumlo wam.
Bendinganiqukela ukutêtâ,
Ndinihlunguzele intloko;
5 Bendinganikâlipisa ngomlomo wam,
Nokukûza komlomo wam kulunqande *usizi lwenu*.
6 Nokuba nditê ndatêtâ, awunqandwa umvandedwa wam;
Nokuba nditê ndayeka, kumka ntonina kum?
7 Hayi, ngoku undidinisile,
Ulipânzisile lonke ibandla lam.
8 Undintshwenyisile, kwalinqîna oko;
Kwandimela ukubitya kwam,
Kwapêndula ebusweni bam.
9 Umsindo wakê wandiqwenga, wanditshutshisa;
Unditshixizele amenyo akê;
Engumbandezeli wam uwenze abukâli amehlo akê kum.
10 Bandakâmele umlomo;
Ngengcikivo bandibetâ ezidleleni;
Bonke bayatêlelana ukundicâsa.
11 U-Tîxo wandinikela kumakwenkwe,
Wandijulela ezandleni zabangendawo.
12 Bendicûlumacâ, wandivitâvitâ,
Wandibambâ ngentamo, wandihlekeza,
Wandimisa ndayi-tikini kuye.
13 Bandiſaula abatoli bakê,
Wazityanda izintso zam enge nalufefe,
Wayipâlazela emhlabeni inyongo yam.
14 Wandenza induma ngenduma,
Wandigila njengegoſa.
15 Ndatûngela ingubo eziſwexayo enkwaneni yolusû lwam,
Ndalugquba ngotûli upôndo lwam.
16 Ubuso bam bubomvu kunene kukulila,
Pêzu kwenkope zam litûnzi lokufa;
17 Nakuba kungekô kugônyamela ezandleni zam,
Uqaqambîle umtândazo wam.
18 Mhlaba, mus' ukuliselela igazi lam,
Kungabi nasikûndla ukuhlahlambâ kwam.
19 Nangoku, yabona, lisezulwini inqîna lam;
Ondivumelayo usezindaweni ezipêzulu.
20 Abandigxekayo ngabetû aba,
Iliso lam liyengezela ku-Tîxo;
21 Ukuba alungisele umfo ku-Tîxo,
Ahlule pâkatî komntu nowabo.
22 Kuba iminyaka embalwa iza kudlula,
Ndihambê-ke umendo endingayi kubuya ngawo.

17 Umoya wam wonakele, imihla yam icinyiwe,
Into yam ngamancwaba.
2 Inene, ndiyinto abadlala ngayo,
Neliso lam lilibele zinkani zabo.
3 Kâubeke into, undimele;
Ngubanina yena oya kubambâna nam ngesandla?
4 Ngokuba intliziyo yabo uyifihlele ukuqiqa;
Ngenxa yoko akuyi kubapâkamisa.
5 Unikela abahlobo ukuba babe ngamaxôba,
Amehlo abantwana bakê aze apêlelwe.
6 Undimise ndangumzekeliso ezizweni;
Ndangotshicelwa ebusweni.
7 Laza lanoſatyazo iliso lam kukâtâzeka;
Amalungu am anjengesitûnzi onke epêla.

Digitized by Google

8 Bamangaliswa abatê-tye yilento;
Omsulwa uyazixôkonxa ngenxa yentshembenxa.
9 Ke olilungisa ubambê indlela yakê,
Ozandla zihlambûlukileyo uya ekâlipa.
10 Kodwa nina nonke, buyani, kânize;
Andiyi kufumana silumko pâkatî kwenu.
11 Imihla yam idlule, zijaciwe izigqibo zam,
Amafa entliziyo yam.
12 *Batî* ubusuku yimini;
Ukukânya kusondele, xa kuza kuba mnyama.
13 Ukuba nditê ndatêmbâ, *nditêmbê* elabafileyo, indlu yam;
Ndandlale umandlalo wam emnyameni;
14 Ukuba nditê kukubola, Ungubawo;
Ndatî kwimpetû, Ungumâ, ungudade wetû:
15 Lipîna-ke ngoku itêmbâ lam?
Itêmbâ lam, ngubanina owolibona?
16 Liya kuhla liye emivalweni yelabafileyo,
Xa sipûmla kunye elutûlini.

18 Wapêndula u-Biledadi wakwa-Shuwa, watî,
2 Kuninina nikuzingela ukutêtâ?
Qondani, sotêtâ emveni koku.
3 Yinina ukuba kutîwe sinjengenkomo,
Sibe zinqambî emehlweni akô?
4 Wena uziqwengayo ngomsindo wakô,
Uya kushiywa umhlaba ngenxa yako, ungamiwa-na?
Likwêlele iliwa endaweni yalo?
5 Noko nokukânya-oku kongendawo kuya kucinywa,
Lingabi mhlopê ilangatye lomlilo wakê.
6 Ukukânya uya kwenziwa mnyama en-tenteni yakê,
Nesibane sakê sicinywe pêzu kwakê.
7 Ukunyantsula kwakê kuya kuxinwa,
Limpôse pântsi kwa elakê iqînga.
8 Kuba uqûtyelwe emnatêni zinyawo zakê,
Ahambê pêzu kwesibatâ.
9 Umgibe umbambîsa ngesitênde,
Limbambîse isango.
10 Lufihliwe emhlabeni ulutya lwakê,
Ukutiwa-hlasi kwakê kusengqushwini.
11 Uyadandatêkiswa ngenxa zonke kukukwanqisa,
Kumbêbête, kutâne-mbende naye.
12 Amandla akê aya kupêla kulamba,
Ukusindeka kulungiselwe ukujinxela kwakê.
13 Kudla iziqendu zolusû lwakê,
Udla iziqendu zakê owamazibulo wokufa.
14 Iyancotûka en-tenteni yakê inkôloseko yakê,
Ahanjiselwe kukumkani wokukwanqisa.
15 Kuhleli en-tenteni yakê into zasemzini;
Kugcwayelwa i-sulfure ekâyeni lakê.
16 Ngapântsi ziya koma ingcambu zakê,
Ngapêzulu abune amasebe akê.
17 Isikûmbûzo sakê siya kudaka emhlabeni,
Angabi nagama nasemapândleni.
18 Baya kumtyâla ekukânyeni, aye ebumnyameni,
Apêkuzwe kwelimiweyo.
19 Akayi kuba nanyana, nanzala ebantwini bakowabo;
Kungabikô usindileyo emizini yakê.
20 Bomangaliswa yimini yakê abahleli entshonalanga,
Nabasempumalanga babanjwe kukuba namanwele.
21 Inene injalo iminquba yaba nobugqwêtâ,
Injalo indawo yongamaziyo u-Tîxo.

19 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Kuninina nisenza isinqâla kumpêfumlo wam,
Nindityumza ngokutêtâ?
3 Ezizihlandlo zilishumi nindihlazile;
Anidanile, niyandikwanqisa.
4 Kôna-ke nditê okunene ndalahleka,
Kuhleli nam ukulahleka kwam.
5 Ukuba okunene nitê nazikûlisa kum,
Nandohlwaya ngengcikivo yam:
6 Yazini ngoko, ukuba ngu-Tîxo ondigobileyo,
Wandifaula ngomnatâ wakê.
7 Yabona, ndiyakâla, nditî ndagonyamelwa, kungasatyelwa;
Ndiyazibika, kungabikô kulungisa.
8 Uyibiyile indlela yam, akwabikô ukugqitâ;
Ezingqushwini zam wamisa ubumnyama.

Digitized by Google

9 Undihlube uzuko lwam,
Wasusa isitsaba sentloko yam.
10 Undidilizile ngenxa zonke, ndemka;
Walincotûla njengomtî itêmbâ lam.
11 Uwuvutîse ngakum umsindo wakê,
Wandibalela ekutîni ndingowababandezeli bakê.
12 Zeza kunye izimpi zakê,
Zandifumbêla indlela yazo,
Zayizunguleza ngenxa zonke in-tente yam.
13 Abazalwana bam ubase kude kum,
Abandaziyo sebe ngabasemzini kanye kum.
14 Izalamane zam zindishiyile,
Nabazana nam bandilibele.
15 Abahlala endlwini yam nabakônzazana bam
Bandibalele ekutîni ndingowasemzini,
Ndingowolunye uhlanga emehlweni abo.
16 Ndibiza umkônzi wam, angasabeli;
Ndimbongoze ngomlomo wam.
17 Umoya wam umruqule umkam;
Ndiyanuka kubantwana besizalo esandizalayo.
18 Namakwenkwe ayandicekisa;
Ndakusuka, asuke atêtê ngam.
19 Ndilisikizi kumakôlwane am,
Nebendibatânda bandiguqukele.
20 Amatâmbô am atshele eluswini lwam nasenyameni yam;
Ndisinde macebetshu.
21 Tafuni, tafuni, zihlobo zam;
Kuba isandla sika-Tîxo sindipêtê.
22 Yinina ukuba nindisukele njengo-Tîxo,
Ninganeli yinyama yam?
23 Akwaba ngoku ebebâlwa amazwi am!
Akwaba ebefolwe encwadini!
24 Ngentlabo yesinyiti, atŷidwe nge-lote,
Axôlelwe eweni nanini!
25 Ke mna ndiyazi, ukuba umhlauleli wam uhleli;
Engowokupêla uya kusuka eme pêzu kotûli *lomhlaba*.
26 Emveni kokuba ulusû lwam ludlavulwe lwanje,
Ingasekô inyama yam, ndiya kumbona u-Tîxo,
27 Endiya kuzibonela mna ngokwam;
Amehlo am ambone, ingabi wumbî.
Ziyapêlelwa izintso zam ngapâkatî kwam.
28 Ukuba nitî, Simsukela nganina?
Ingcambû yalonto ifunyenwe kum:
29 Nxungupâlani lifele,
Kuba ubushushu bubo ubugwenxa obufanele ifele;
Ukuze nazi ukuba kukô umgwebo.

20 Wasusela u-Tsofare wase-Nahama, watî,
2 Ngako oko ingcingangcinga zam ezi ziyandipêndula,
Ngenxa yokutâbatêka kwam ngapâkatî kwam.
3 Ukutêtîsa okundihlazayo ndiyakuva,
Ke umoya uyandipêndula engqondweni yam.
4 Oku uyakwazi-na kambê kwanini,
Kususela koko lwabekwayo uluntu emhlabeni:
5 Ukuba ukumemelela kwabangendawo kufutshane,
Ukuvuya kwentshembenxa kokwepânyazo?
6 Nokuba kutê kwenyuka kwaya emazulwini ukupâkama kwakê,
Intloko yakê wayifikisa emafini:
7 Njengelindle lakê uya kudaka kupêle;
Abambonayo batî, Upîna?
8 Uya kupâpâzela emke njengepûpâ, angafunyanwa,
Apêkuzwe njengombono wobusuku.
9 Iliso elikê lambona, aliyi kupînda;
Indawo yakê ayisayi kumalama.
10 Abantwana bakê baya kunxênxézela abasweleyo,
Izandla zakê zibuyise imfuyo yakê.
11 Amatâmbô akê ebezele bubutsha,
Bolaliswe pântsi naye elutûlini.
12 Nokuba ububi bebunencasa emlonyeni wakê,
Wabugusha pântsi kolwimi lwakê,
13 Wabuconga akabuyeka,
Wabutîntela emakûhlangubeni akê;
14 Isonka sakê siguqukile ematûnjini akê,
Yinyongo yamafambâ embîlinini wakê.
15 Uginye ubutyebi, wabuhlanza;
Uyabukûpâ esisweni sakê u-Tîxo.
16 Womungunya ubuhlungu bamafambâ,
Lumbulale ulwimi lwenyushu.
17 Akayi kubona mijelo,
Milambô, zihlambô zobusi namasi.
18 Ebuyisa awakuxelengayo, akakuginyi;

Digitized by Google

Angavuyi ngangobutyebi abufwebileyo.
19 Kuba wabatî-viki, wabalahla abasweleyo;
Waxâkamfula indlu, angayakânga.
20 Kuba engalwazanga uxolo esiswini sakê;
Akayi kusinda nento zakê ezinqwenelekayo.
21 Bekungekô nto isindayo emqaleni wakê,
Ngenxa yoku aziyi kuhlala into zakê ezilungileyo.
22 Ekuzalisekeni kokumaneleyo ubandezelekile,
Izandla zonke zabangento ziyamfikela.
23 Kotî, ukuze sizaliswe isisu sakê,
U-Tîxo atûmele kuye ukuvutâ komsindo wakê,
Awunêse pêzu kwakê enyameni yakê.
24 Ebaleka isirweqe sesinyiti,
Lompûmela utolo lwesapêtâ sobêdu.
25 Lufoliwe, lwapûma emzimbêni,
Nenyembê ebengezelayo enyongweni yakê;
Uyemka izitûso zipêzu kwakê.
26 Ubumnyama bonke bubekelwe ingqwebo zakê;
Udliwa ngumlilo ongavutêlwanga;
Ugqibe okusindileyo en-tenteni yakê.
27 Amazulu obutŷila ubugwenxa bakê,
Nomhlaba usukele pêzulu kuye.
28 Iya kufuduswa indyebo yendlu yakê,
Ikûkuliswe ngomhla womsindo wakê.
29 Siso eso isabelo somntu ongendawo,
Sivela ku-Tîxo,
Nelifa alimiselweyo yena ngu-Tîxo.

21 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Yivâni, nikuve ukutêtâ kwam;
Kube zintutûzelo zenu oku.
3 Nditwâleni, nditêtê nam;
Nigculele emva kwamazwi am.
4 Mna, inkalazo yam isemntwini, yinina?
Kôna bekungani ukuba ungazekaneki umoya wam?
5 Bêkani kum, nimangaliswe;
Bekani isandla emlonyeni.
6 Okunene, ndakukûmbûla, ndisuka ndikwânqiswe,
Nenyama yam ibanjwe kududuzela.
7 Yinina ukuba abangendawo badle ubomi,
Babe badala, kananjalo bomelele, babe namandla?
8 Imbêwu yabo iqinile pâmbî kwabo, inabo;
Nabapûme embîlinini wabo basemehlweni abo.
9 Izindlu zabo zinoxolo kungekô kunkwantya,
Nentonga ka-Tîxo ayibafikeli.
10 Inkunzi yabo iyazeka ingahlohleli;
Imazi yabo iyazala ingapûnzi.
11 Bayawakûpela njengomhlambî amakwenkwe abo,
Nabantwana babo bayadloba.
12 Bapâkamisa izwi benengqongqo nohadi,
Bavuye lizwi logwali.
13 Bayayigqiba imihla yabo ngokucwayita,
Behle ngepânyazo ukuya kwelabafileyo.
14 Batî ku-Tîxo, Suka kutî,
Asikunanzile ukuzazi indlela zakô.
15 Uyinina u-Somandla, ukuba simkônze?
Kusinceda nto-nina ukumjoka?
16 Yabona, azisesandleni sabo izinto zabo ezilungileyo;
Iqînga labangendawo malibe lê kum.
17 Kukangapîna-ke isibane sabangendawo sicinywa?
Kubafikela ukusindeka kwabo?
Ababele *u-Tîxo* izintya ngomsindo wakê?
18 Babe njengencâ enqunqiweyo pâmbî komoya,
Njengomququ ohlaselwa sisaqwîti?
19 *Nitî*, U-Tîxo ububekela abantwana babo ubutshinga babo.
Makabupîndezele kubo ngokwabo, bazi bona;
20 Makayibone inxwaleko yabo amehlo abo,
Babusele ubushushu bo-Somandla.
21 Ngokuba bayinanze ngani bona indlu yabo emva kwabo
Lakuqîtshulwa inani lenyanga zabo?
22 Uya kufundiswa ukwazi u-Tîxo-na?
Lowo ugweba abapêzulu.
23 Omnye ufa enqwini yokwakê ukupîla,
Onwabile kanye, eculumacile.
24 Imvaba zakê zizele ngamasi,
Nomongo wamatâmbô akê utyebile.
25 Omnye ufa, uŕaŕa umpêfumlo wakê,
Engadlanga zinto zilungileyo.

Digitized by Google

26 Balala ndawo-nye elutûlini,
Impetû ziyabagubungela bobabini.
27 Yabona, ndiyazazi ingcinga zenu,
Namayelenqe enindigonyamela ngawo.
28 Xa nitî, Ipîna indlu yesibôvubôvu?
Ipîna in-tente ebalulekileyo yabangendawo?
29 Anibuzanga-na kwabadlula ngendlela?
Imiqondiso yabo ninako-na ukuyikânyela?
30 Ukuba ngemini yokusindeka wanqandwa ongendawo,
Ngemini yokupûpûma umsindo wemkiswa?
31 Ngubanina ongaxela ebusweni bakê indlela yakê?
Enze into yena, ngubanina oya kupîndezela kuye?
32 Usiwa emancwabeni yena,
Alinde esigângeni.
33 Anencasa kuye amagada esihlambô;
Emva kwakê kulandela lonke uluntu,
Nangapâmbî kwakê belungenakubalwa.
34 Ningati nina-ke ukunditûtûzela ngento ezingento,
Impêndulo zenu zisele zibubumenemene.

22 Wasusela u-Elifazi wakwa-Teman, watî,
2 Umfo unokumnceda-na u-Tîxo?
Hayi-bo! uzinceda ngokwakê oqiqayo.
3 Kumnandi-na ku-Somandla, xa ulilungisa?
Kuyinzuzo-na kuye, ukuba uyazigqibelelisa indlela zakô?
4 Uya kukohlwaya-na ngenxa yokoyika kwakô u-Tixo,
Aye nawe ematyaleni?
5 Ububi bakô abubukûlu-na?
Ubugwenxa bakô asibobungapêle ndawo-na?
6 Kuba ububambîse umzalwana wakô ngelizé,
Ububahluba aba-zé ingubo.
7 Ubungamsezi manzi otyafileyo,
Olambîleyo ubumvimbâ isonka.
8 Ke indoda enengalo—belilelayo ilizwe;
Obekekileyo ubehlala kulo.
9 Abahlolokazi ububandulula belambâtâ,
Nengalo zenkedama ubuzityumza.
10 Ngenxa yoko imigibe ikujikelezile,
Ukwânqiswe ngesiqupê kukunkwantyiswa.
11 Kôna akububoni-na ubumnyama,
Nobuninzi bamanzi kugubungelayo?
12 U-Tîxo ukupâkama *kwakê* asikokezulu yinina?
Bona-ke intloko yazo inkwenkwezi ukuba pêzulu kwayo!
13 Utî-ke wena, Wazi nto-nina u-Tîxo?
Unokugweba-na engapâya kobumnyama bamafu?
14 Amafu amsitîle, akaboni;
Uzihambêla okwakê esazingeni sezulu.
15 Umendo wasepâkadeni uya kuwugcina-na,
Abawunyatêleyo abantu abanobutshinga?
16 Abashwabene lingekabi lixesha;
Lwanyibilika, lwangumsinga usekô lwabo,
17 Ababesitî ku-Tîxo, Suka kutî;
Angabenza nto-nina u-Somandla?
18 Kanti ebe nguye ozalisa indlu zabo ngezinto ezilungileyo.
Iqînga labangendawo malibe lê kum.
19 Ayakubona oko amalungisa avuye;
Omsulwa uyabagculela, esitî,
20 Inene, abasukele pêzulu kum batêshwaka,
Wakudla umlilo ukupûpûma kwabo.
21 Kâwenze ubuhlobo naye, ube noxolo;
Ngalonto wozelwa kokulungileyo.
22 Kâwamkele umyalelo emlonyeni wakê,
Ubeke intetô zakê entliziyweni yakô.
23 Ukuba utê wabuyela ku-Somandla, uya kwakîwa.
Ukuba utê wabubeka kude ubugqwêtâ ezin-tenteni zakô,
24 Walibeka elutûlini ilitye le-golide,
Wayibeka eluhlalwini lwemilanjana neyakwa-Ofire;
25 U-Somandla woba lilitye le-golide kuwe,
Ne-silvere ebengezelayo kakûlu.
26 Ngokuba uya kwandula ukuziyolisa ngo-Somandla,
Ubupâkamisele ku-Tîxo ubuso bakô.
27 Wotândaza kuye, eve;
Uzizalise izibâmbâtiso zakô.

Digitized by Google

28 Usongele into, ifezeke kuwe;
Ezindleleni zakô kukânye kube mhlopê.
29 Xa zitê zehla, wotî, Pêzulu!
Amsindise omehlo aqondele pântsi.
30 Uya kusindisa nongemsulwa,
Asizwe bubunyulu bezandla zakô.

23 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Nanamhla-nje inkalazo yam inenkani,
Isandla sam sinzima pêzu kokugcuma kwam.
3 Yô! andaba bendisazi apô ndingamfumana kôna.
Ndize esihlalweni sake!
4 Bendiya kulicacisa pâmbî kwakê ityala lam,
Ndiwuzalise umlomo wam ngeziganeko.
5 Andaba bendikwazi ukutêtâ abeya kundipêndula ngako,
Ndiyiqonde into abeya kuyitêtâ kum.
6 Wobambâna nam ngamandla amakûlu-na?
Hayi! kodwa-ke wondigqala.
7 Oko otê-tye ubeya kubonisana naye;
Ndisinde kupêle kumgwebi wam.
8 Yabona, ndisinga pâmbîli, angabikô;
Nangasemva, ndingamnakani;
9 Ngasekôhlo, ekusebenzeni kwakê, ndingamalami;
Xa atyekela ngasekunene ndingamboni.
10 Kuba uyayazi indlela enam;
Endicikidile, bendiya kupûma njenge-golide.
11 Unyawo lwam lubambê umkôndo wakê;
Ndagcina indlela yakê, andatî-gubucala.
12 Emtêtwêni wemilebe yomlomo wakê andisukanga;
Ndiwabekile amazwi omlomo wakê kunowam ummiselo.
13 Ke yena umi ndaweni-nye, ngubanina ongambuyisayo?
Umpêfumlo wakê ukânukile, uyakwenza oko.
14 Kuba uyakufeza endikumiselweyo;
Zininzi-ke izinto ezinje kuye.
15 Ngenxa yoko ndikwanqisiwe ebusweni bakê.
Ndakukugqala, ndisuka ndinkwantye nguye.
16 U-Tîxo uyiqôbisile intliziyo yam,
U-Somandla undikwanqisile.
17 Kuba andibângiswanga ngenxa yobumnyama;
Nangenxa yobuso bam obugutyungelwe sisitôkotôko.

24 Yinina ukuba kungabekwa maxesha ngu-Somandla?
Yinina ukuba abamaziyo bangaziboni imini zakê?
2 Kushenxiswa imilimandlela;
Kupângwa imihlambî, yalûswe.
3 Kuqûtywa kumkiwe ne-esile lenkedama,
Kubanjiswe ngenkomo yomhlolokazi.
4 Kugilwa amahlwempu endleleni,
Bazimele ndawo-nye abazintsizana belizwe.
5 Kângela, njengama-esile asendle entlango,
Bapûma ngomsebenzi wabo befuna kwakusasa into yokudla;
Inqantosi sisonka sabantwana kubo.
6 Esisimini bavuna ukutya kwabo,
Babîkice esi-diliyeni songendawo.
7 Balala zé benge nangubo,
Abananto yokuzigubungela engqeleni.
8 Bayanetâ sipângo sentaba,
Bancatâma ngeliwa benge nandawo yokuzimela.
9 Kuhlutwa ebeleni inkedama,
Koniwe abazintsizana.
10 Bahambâ zé benge nangubo,
Batwala izikûngu, belambîle.
11 Pâkatî kwendonga zabaya bakâma i-oli,
Baxovula ezixovulelweni ze-wayini, benxaniwe noko.
12 Emizini kugula amadoda,
Nompêfumlo wabanxwelefiweyo uyakâla;
Kanti u-Tîxo akatî bubuhilihili.
13 Ngabo abo bagwilika ekukânyeni;
Abanakwazana nendlela zakô,
Abahlali ezingqushwini zakô.
14 Kusatî-qip'ukusa kuvuke isihange,
Sibulale intsizana namahlwempu;
Ebusuku sibe njengesela.
15 Iliso lomfexezi ligcine uncwalazi,
Utî, Akukô liso liya kundalama,
Anxibe isigqubutêlo ebusweni.
16 Bagqoboza izindlu emnyameni;
Emini bayazivalela,

Digitized by Google

Abazani nokukânya.
17 Ngokuba ubumnyama obutê-shinyi bukukuza kokusa kubo bonke;
Ngokuba bazana nokwanqiso lobumnyama obutê-shinyi.
18 Bayakâuleza pezu kwamanzi;
Sitshabisiwe isabelo sabo emhlabeni;
Abasasingi endleleni yesi-diliya.
19 Amanzi ekêpu ahlutwa ngumqwebedu nakubalela;
Aboni *bahlutwâ* lelabafileyo.
20 Sibalibele isizalo; impetû ziyabamunya,
Ababi sakûnjulwa;
Bapûlwe-ke njengomtî ubugqwêtâ.
21 Bampânga kakubi oludlolo ongazalanga:
Abangamenzelanga okulungileyo umhlolokazi.
22 Wolula imihla yembâlasane ngamandla akê,
Zipâkame besezincame ubomi.
23 Uzinika inkoloseko zayame,
Amehlo akê abe pezu kwendlela zazo.
24 Zipâkame, kube mzuzwana zingabikô;
Zitê-ngqu, zibutfwe njengabanye bonke,
Zinqanyulwe njengesikwebu senqôlowa.
25 Ukuba kanti akunjalo, ngubanina owondenza otêtâ amanga,
Akwenze into engento ukutêtâ kwam?

25 Wasusela u-Biledadi wakwa-Shuwa, watî,
2 Ulaulo nonkwantyiso lunaye;
Wenza uxolo ezindaweni zakê ezipêzulu.
3 Inokubalwa-na imikôsi yakê?
Ngubanina ongapûnyelwayo kukânya kwakê?
4 Angatî-nina umntu ukuba lilungisa ku-Tixo?
Angatî-nina ukuba ngoqaqambîleyo ozelwe ngumfazi?
5 Yabona, nenyanga ayimhlopê,
Nenkwenkwezi aziqaqambîle emehlweni akê.
6 Ubeke pîna-ke umntu impetû-le,
Nonyana ka-Adam umbungu-lo!

26 Wapêndula u-Yobi, watî,
2 Utê-nina wena ukumnceda onge namandla,
Nokuyisindisa ingalo enge namandla!
3 Utê-nina ukumcebisa onge nabulumko,
Ukumazisa kunene into eyiyo!
4 Uxelele banina ukutêtâ?
Kukupêfumla kukabanina okupûme kuwe?
5 Izitûnzela ziyazibijabija
Ngapântsi kwamanzi nabemi bawo.
6 Izé elabafileyo pâmbî kwakê,
Ayinasigubungelo inzonzobila.
7 Ulaneka izulu langase-Ntla enyanyeni;
Axôme umhlaba pezu kokunge-ni.
8 Ubopâ amanzi emafini akê,
Lingagqabuki ilifu ngapântsi kwawo.
9 Uvingca umpâmbîli we-trone,
Aneke ilifu lakê pezu kwayo.
10 Uzunguleza ubuso bamanzi ngomda,
Kuse ekupêleni kokukânya nobumnyama.
11 Intsika zezulu ziyanyenganyenga,
Zingakûlumi kukâlima kwakê.
12 Ngamandla akê ugxobagxoba ulwandle,
Ngengqondo yakê uqôba u-Rahabi.
13 Ngomoya wakê wenza ase amazulu;
Isandla sake sayihlaba inyoka enyebelezayo.
14 Yabona, ngamancam endlela zakê lawo;
Iyinina-ke intsebezo yelizwi esiyivayo ngaye,
Ke yona indudumo yemisebenzi yobugofa bakê ingaqondwa ngubanina?

27 Wahambîsa u-Yobi, wapâkamisa umzekeliso wakê, watî,
2 Ehleli-nje u-Tixo, olisusileyo ibango lam,
U-Somandla, owenze ŕaŕa umpêfumlo wam;
3 Kuba kusekum ukupêfumla kwam konke,
Nomoya ka-Tixo usmatâtêni am:
4 Umlomo wam awutêtî bugqwêtâ,
Nolwimi lwam aluxeli nkohliso.
5 Makube le kum ukutî, niyalungisa;
Ndode ndipûme umpêfumlo ndingayisusi kum ingqibelelo yam.
6 Ndobambêlela ebulungiseni bam, andiyi kubuyeka;
Intliziyo yam ayi kungcikiva mini eziminini zam.

Digitized by Google

7 Malube njengongendawo utshaba lwam,
Nosukela pêzulu kum abe njengegqwêtâ.
8 Kuba liyinto-nina itémbâ lentshembenxa, xa atê wawunqumla,
Xa atê wawufola u-Tîxo umpêfumlo wayo?
9 Wokuva-na u-Tixo ukuhlahlambâ kwayo,
Xa ifikelwe yimbândezelo?
10 Kôna inokuziyolisa-na ngo-Somandla?
Ingamnqula-na u-Tîxo ngamaxesha onke?
11 Ndiya kuniyala ngokusingisele esandleni sika-Tîxo;
Okuno-Somandla andiyi kukukânyela.
12 Yabonani, nonke nipêla ngokwenu nikubonile;
Yinina-ke ukuba nitêtê into engento yakonto?
13 Siso esi isabelo somntu ongendawo ku-Tîxo,
Nelifa labazingqwangangqwili abalamkeleyo ku-Somandla.
14 Ukuba batê banda onyana bakê, bandiselwa ifele;
Nabapûme embîlinini wakê abahlutî sisonka.
15 Amaqongqolo akê aya kuncwatywa kukufa,
Abahlolokazi bakê bangalili.
16 Ukuba utê wafumbâ i-silvere njengotûli,
Wazilungisela izambâtô njengodaka:
17 Angazilungisa, koko ziya kwambâtwa lilungisa,
Ne-silvere-leyo babelane ngayo abamsulwa.
18 Uyakâ indlu yakê njengenundu,
Njengepêmpe elenziwe yimbôniseli.
19 Ulala pântsi esityebi, akapîndi;
Uvula amehlo akê, angabikô.
20 Kumtâbatâ njengamanzi ukukwanqa,
Simbè ebusuku isaqwiti.
21 Luyamfukula ulopû lwasempumalanga, emke,
Lumqweqwedise endaweni yakê.
22 U-Tîxo umgibisela, angamcongi;
Usibaleka asibaleke isandla sakê.
23 Bamtywafazela izandla,
Bamenzela umsondlo, emke endaweni yakê.

28 Kuba kukô apô ipûma kona i-silvere
Nendawo ye-golide abayihluzayo.
2 Isinyiti sitâtyatwa elutûlini,
Banyibilikisa amatye abe lubêdu.
3 Bapêlisa ubumnyama,
Bebêkisa ezipêlweni zonke,
Begocagocela amatye asesitôkotôkweni nawasebumnyameni obutê-shinyi.
4 Bembâ umnxûma kude kwabemiyo,
Belityelwe lunyawo *lwabahambi*,
Baxômekile bekude nabantu, bayajinga.
5 Umhlaba—kupûma isonka kuwo;
Umzantsi wawo ubûkuqwa ngatî ngumlilo.
6 Indawo ye-safire ngamatye awo,
Amagada e-golide akuyo;
7 Yingqushu engaziwa ngqanga,
Ongatîwanga-nzo liliso lesanxa;
8 Enganyatêlwanga tôle lanyamakazi inyalasayo,
Engahanjwanga nayingonyama.
9 Usa isandla sakê nakwiqwitâ,
Uzibûkuqa ezingcanjini intaba.
10 Ugqobôza imijelo emaweni;
Libona zonke izinto ezinqabileyo iliso lakê.
11 Uvingca imilambô ingavuzi,
Okufihlakeleyo akukûpêle emhlotsheni.
12 Ke bona ubulumko bufunyanwa pîna?
Ipîna indawo yengqondo?
13 Akalazi umntu ixabiso labo;
Abufunyanwa ezweni labahleliyo.
14 Amanzi enzonzobila atî, Abukum;
Ulwandle lutî, Abunam.
15 Akufolwa golide itê-shinyi esikûndleni sabo;
Akulinganiswa silvere ibe yintengo yabo.
16 Abumelwa yi-golide ecikizekileyo ya-kwa-Ofire,
Ne-sardonisi enqabileyo ne-safire.
17 Azinakulingana nabo i-golide ne-gilas;
Abunakwananana nempahla ze-golide engewengiweyo.
18 Zingasakûnjulwa i-korale ne-kristale;
Ukuzuzwa kobulumko kupêzu kweperile.
19 Ayinakulingana nabo i-topazi yakwa-Kushi;
Abumelwa yi-golide ecikizekileyo ecocekileyo.

Digitized by Google

20 Ubulumko buvela pîna-ke,
Yiyipîna indawo yengqondo?
21 Bufihlakele emehlweni ento zonke ezipîlileyo;
Busitâkele nasezintakeni zasezulwini.
22 Inzonzobila nokufa kutî,
Sibuvile ukubuva ngendlebe.
23 Ngu-Tîxo oyiqondayo indlela yabo,
Nguye oyaziyo indawo yabo.
24 Kuba yena ubêka ezipêlweni zomhlaba,
Ubona pântsi kwezulu lonke,
25 Ngokuwenzela umoya ubunzima bawo,
Namanzi awalinganise ngomlinganiso.
26 Ekuyenzeleni kwakê imvula ummiselo,
Nombane wendudumo indlela:
27 Waza wabubona, wabubala;
Wabumisa, wabugocagoca nokubugocagoca;
28 Watî emntwini, Yabona, ukoyika i-Nkosi bubulumko-obo,
Nokutyeka ebubini kuyingqondo.

29 Wahambîsa u-Yobi ukupâkamisa umzekeliso wakê, watî,
2 Yō! andaba bendinenyanga ezinjengezapâmbîli,
Njengemihla, abendigcinile u-Tîxo;
3 Xa ukukânya kwesibane sakê bekupêzu kwentloko yam,
Xa ngokukânya kwakê bendibuhambâ ubumnyama;
4 Njengoko bendinjalo ngemihla yam yokwindla,
Oko ukucweya kuka-Tîxo bekupêzu kwen-tente yam;
5 Oko u-Somandla ebese nam,
Bengenxa zonke kum abantwana bam;
6 Oko ebehlanjwa amabanga am ngamasi,
Iliwa linditûlulela imijelo ye-oli.
7 Xa ekupûmeni ngesango bendinyuka ukuya kuwo umzi,
Ndimise isihlalo sam endaweni yembûtô;
8 Andibona amadodana, azimela,
Asuka amaxêgo, ema.
9 Abatêtêli bakuyeka ukukûluma,
Babeka isandla emlonyeni.
10 Ilizwi lengânga lazimela,
Nolwimi lwazo lwanamatêla emakûhlangubeni alo,
11 Kuba indlebe yeva, yatî ndinoyolo;
Iliso labona, landinqînela.
12 Kuba bendisiza intsizana ezizibikayo,
Nenkedama, noswele umncedi.
13 Intsikelelo yabadakayo ibindizela,
Nentliziyo yomhlolokazi bendiyimemelelisa.
14 Ubulungisa bendibambâtâ bundambâté;
Lwanjengengubo yokwaleka nonkontsho ugwebo lwam.
15 Bendingamehlo kwimfama,
Bendizinyawo kwisiqwâla.
16 Bendinguyise kumahlwempu,
Netyala lendingabaziyo bendiligocagoca.
17 Bendiwapûla amabambâ egqwêtâ,
Bendilikûpâ emazinyweni alo ixobâ.
18 Ndatî-ke, Ndiya kupûma umpêfumlo kunye nendlu yam,
Ndiyandise imihla yam njengentaka engafiyo.[1]
19 Ingcambû yam iya kuvulelwa amanzi,
Ulale umbetê emasebeni am.
20 Uzuko lwam luya kuhlala lulutsha kum,
Sihlaziyeke isapêtâ sam esandleni sam.
21 Bebendipûlapûla, balindele,
Batî-tu ecebeni lam.
22 Emva kwelizwi lam bebengapîndi *batêtê;*
Kubacâpâzele ukukûluma kwam.
23 Bebendilinda njengemvula;
Imilomo yabo bayakâmisele eyasekwindla.
24 Bendibancumela, bencamile;
Ukukânya kobuso bam bangakusanganisi.
25 Bendibanyulela indlela, ndihlale ndiyintloko;
Bendihlala njengokumkani pâkatî komkôsi,
Njengotûtûzela abenza isijwili.

30 Kungoku bayandihleka abancinane kunam ngemihla,
Abayise bendicekisa nokuba badle nezinja zomhlambî wam.
2 Kôna abe ngaba ngawanto-nina kum amandla ezandla zabo,
Abapêlelwe ngamandla.

[1] Phœnix.

Digitized by Google

3 Abatê ngokuswela nokulambå,
Basiqina abobanqabi bomqwebedu,
Bobumnyama bentshabalala yakwantshabalala.
4 Abo baqåula imbûwa ematŷolweni,
Abasonka siyingcambû yonwele.
5 Bayagxotŵa påkatî kwabantu;
Bahlatyelwa umkôsi ngatî ngamasela;
6 Bahlale ezihlanjeni ezingcangcazelisayo,
Eminxunyeni yomhlaba nasemaweni.
7 Babômbôloza påkatî kwamatŷolo,
Bafumbålala påntsi kwamaŕau,
8 Bengonyana bezidenge kwa nonyana babange nagama,
Ababetŵa bemke ezweni.
9 Kungoku ndiyingoma yabo,
Ndaba kukûluma kwabo.
10 Ndilisikizi kubo, bakude nam;
Abawanqandi amatê ebusweni bam.
11 Kuba ulucombûlule utâmbô lwam, wandicinezela,
Bawuyeka umkåla pâmbî kwam.
12 Ngasekunene kupåkama ubuvuvana,
Batŷala inyawo zam, bandifumbéle umendo wabo wokusindeka.
13 Bayenz'amagqagala indlela yam,
Bancedisa ukweyela kwam,
Abange namncedi.
14 Ukuza kwabo ngatî bagqobôza itûba elibanzi *eludongeni*,
Bagaleleka kum nokutî-golokongqo kwalo.
15 Kuguqukele kum ukukŵanqisa,
Kubusukela ubunene bam njengomoya,
Kudlule njengelifu ukusindiswa kwam.
16 Kungoku uzipålazela påkatî kwam umpêfumlo wam;
Indibambîle imihla yentsizi.
17 Ubusuku bupêhla amatâmbô am, aqîwuke kum;
Abanqâbi bam abalali.
18 Ngobukûlu bamandla sizenze sasisimbî isambåtô sam,
Sitê-nca kum njengomqala wengubo yam yangapântsi.
19 Undijulele eludakeni,
Ndafana notûli notûtû.
20 Ndiyazibika kuwe, ungasabeli;
Ndisuka ndime, undijonge.
21 Uzenza isijofa kum,
Unditshutshisa ngamandla esandla sakô.
22 Undifukulela emoyeni, undikŵelisa kuwo,
Undibângise nokuzongoma kwawo.
23 Kuba ndiyazi, ukuba uya kundibuyisela ekufeni,
Endlwini yokuhlangana kwabapîlileyo bonke.
24 Kodwa ekutîni-bûma umntu akoluli sandla-na;
Azibike ngenxa yoko elishweni lakê?
25 Kôna andimlilelanga yinina omini zinobubi?
Ubunge nalusizi-na umpêfumlo wam ngenxa yehlwempu?
26 Kuba ndatêmbå okulungileyo, kweza okubi;
Ndakulinda ukukånya, kweza isitôkotôko.
27 Amatûmbû am abila akayeka;
Yandihlangabeza imihla yentsizi.
28 Ndahambå ndinezimnyama zokuzila, akwabikô langa;
Ndapåkama ebandleni, ndazibika.
29 Ndingumzalwana wempungutye
Nomlingane wenciniba.
30 Ulusú lwam luyadlubuka kum lumnyama,
Namatâmbô am atshile kukoma.
31 Uhadi lwam lwaba sisijwili,
Ugwali lwam lwaba lizwi labalilayo.

31 Ndiwamisele amehlo am umnqopîso;
Ndingatî-nina ukuqwalasela entombîni?
2 Besiya kuba yinina isahlulelo sika-Tîxo esivela pêzulu,
Nelifa lo-Somandla elivela ezindaweni ezipâkamileyo?
3 Ukusindeka asikokwegqwêtå yinina,
Neshwangusha asilelabenzi bobutshinga yinina?
4 Akaziboni-na yena indlela zam,
Awabale onke amabanga am?
5 Ukuba bendihambå nokohlakeleyo,
Lwanxâmela inkohliso unyawo lwam,—
6 Makandilinganise e-zikalini zobulungisa,
Akwazi u-Tîxo ukugqibelela kwam;—
7 Ukuba ebetê-gubucala amabanga am endleleni,
Yalandela amehlo am intliziyo yam,
Sanamatêla isisihla ezandleni zam:
8 Mandihlwayele, kudle omnye;

Digitized by Google

Ingcambû zabapûme kum zincotûlwe.
9 Ukuba ibihendekile intliziyo yam ngenxa yomkamntu,
Ndalalela esangweni lowetû:
10 Umkam makasilele omnye umntu,
Kuguqe abanye pêzu kwakê.
11 Kuba lonto bugqwiŕa,
Lonto bugwenxa pâmbî kwabagwebi.
12 Inene, lonto ngumlilo odla use enzonzobileni,
Ibiya kuncotûla ingcambû zongenisele lwam lonke.
13 Ukuba bendilahle ilungelo lomkônzi wam nelomkônzazana wam,
Bakubambâna nam:
14 Bendingatî-nina ukwenza, xa atê u-Tîxo wesuka wapâkama?
Xa atê wavelela, bendingatî-nina ukupêndula?
15 Owandenzayo ezibilini akamenzangana naye?
Owasimilisa esizalweni akamnye-na?
16 Ukuba bendisala nabakunxâmeleyo abasweleyo,
Amehlo omhlolokazi ndawapêlisa,
17 Ndawudla ndedwa umtâino wam,
Ayadla inkedama kuwo:
18 Hayi-bo! kwasebuncinaneni bam *inkedama* yakûlela kum ngatî ikuyise,
Nasesizalweni sikamá ndalatîsa *umhlolokazi*.
19 Ukuba bendimbona otshabalalayo enge nanto yokwambâtâ,
Ihlwempu linge nanto yokuzigubungela;
20 Ukuba abengandisikeleli amanqe akê,
Akazifudumeza ngoboya bemvana zam;
21 Ukuba bendilingisile 'ngesandla sam kwinkedama,
Ngokuba bendibone uncedo lwam esangweni:
22 Igxalaba lam maliwe esixântini salo,
Nomkôno wam wapûke etânjeni lawo.
23 Bekuya kuba kum ukunkwantya, ukusindeka ngu-Tîxo,
Ndikôhlwe pâmbî kokupâkama kwakê.
24 Ukuba bendenze i-golide inqolonci yam,
Ndatî kwecikizekileyo, Nkôloseko yam;
25 Ukuba bendivuyela ukuba buninzi kobutyebi bam,
Nokufumana kakûlu kwesandla sam;
26 Ukuba bendilibona ilanga likûpâ imitâ,
Nenyanga ihambâ indilekile,
27 Yahendeka ngasese intliziyo yam,
Ndasangela ngomlomo wam isandla sam.
28 Nako oko ngekuba bugwenxa pâmbî kwabagwebi;
Kuba ngendiba ndimkânyele u-Tîxo wapêzulu.
29 Ukuba bendivuyela ilishwa londitîyayo,
Ndaxûmela ukuba efunyenwe bububi;
30 Ke andiwavumelanga amakûhlanguba am ukuba ône,
Ndiwucele ngentshwabulo umpêfumlo wakê;
31 Ukuba bebengatsho abantu ben-tente yam, ukutî,
Angaba ngubanina ongahlutanga yinyama yakê?
32 Ubengalali pândle umpâmbûkeli,
Ingcango zam bendizivulela endlelen.
33 Ukuba bendilugubungela uŕeqo lwam njengo-Adam,
Ngokuqûsheka ubugwenxa bam esifubeni sam,
34 Ngakuba bendingcangcazela pâmbî kwengxokolo eninzi,
Ndaqîpuka umbîlini kukudelwa yimizalwane,
Ndati-cwaka, andapûma emnyango.
35 Andaba bendinondipûlapûlayo!
Nangu umqondiso wam, u-Somandla makandipêndule;
Nantsi incwadi ayibâlileyo obambéne nam.
36 Inene, ndoyitwala ngesixânti sam,
Ndoyitî-jize kum njengezitsaba.
37 Inani lamabanga am ndomxelela,
Ndimsondele njengengănga.
38 Ukuba umhlaba wam ubukâla ndim,
Nemiqela yawo yalila kunye nawo;
39 Ukuba bendiwadla amandla awo kungeko mali,
Ndabanga ukuba upûme umpêfumlo womniniwo:
40 Makupûme amakâkakâka esikûndleni senqôlowa,
Nokûla esikûndleni se-fasi.

Agqityiwe amazwi ka-Yobi.

Digitized by Google

32 Ayeka lomadoda omatâtû ukumpêndula u-Yobi; kuba ube lilungisa emehlweni akê.
2 Wavutâ umsindo ka-Elihu unyana ka-Barakeli, wakwa-Buzi, owemizalwane yakwa-Ram; wavutâ ku-Yobi umsindo wakê ngenxa yokuzigwebela ngokwakê kuno-Tixo.
3 Wavutâ kubahlobo bakê abatâtû umsindo wakê, ngenx' enokuba bengafumananga kumpêndula, pôfu bemgwebile u-Yobi.
4 Kekaloku u-Elihu ubesalindisile ku-Yobi ngamazwi; ngokuba bebe badala kunaye ngemihla.
5 Wabona u-Elihu, ukuba akukô mpêndulo emlonyeni walomadoda matâtû, wavutâ-ke umsindo wakê.
6 Wasusela u-Elihu unyana ka-Barakeli, wakwa-Buzi, watî,
Ndimncinane mna ngemihla,
Ke nina nizingwevu;
Ngenxa yoko ndakwêlela pâya, ndoyika ukunityela ukwazi kwam.
7 Ndatî, Imihla mayitêtê,
Iminyaka emininzi yazise ubulumko.
8 Noko ngumoya osemntwini,
Nokupêfumla kuka-Somandla kubaqondisayo.
9 Ukulumka akunabakûlu,
Ukuqonda okufaneleyo akunamadoda makûlu odwa.
10 Ngako oko ndití, Pûlapûla kum,
Ndokutyela ukwazi kwam nam.
11 Yabonani, bendiwalindile amazwi enu,
Ndakubekela indlebe ukuqonda kwenu,
Nada nagocagoca ukutêtâ.
12 Ndanigqala kakuhle;
Yabonani, akukô namnye kuni omohlwayileyo u-Yobi,
Wawapêndula amazwi akê.
13 Hleze nibe nití, Sibufumene ubulumko;
U-Tixo uyampêpêta, asingumntu.
14 Ke akakubêkisanga kum ukutêtâ;
Andikumpêndula ngamazwi enu.
15 Baqîpuke umbîlini, abasapênduli;
Bapêlelwe kukutêtâ.
16 Kêndenze kuhle-na, ngokuba bengatâtî,
Ngokuba bemi bengasapênduli?
17 Ndiya kupêndula nam okwam;
Ndixele ukwazi kwam nam.
18 Kuba ndizele kukutêtâ;
Undicutîle umoya wembîlini yam.
19 Niyabona, imbîlini yam injenge-wayini engavulelwanga;
Njengentsuba ezintsha iza kugqabuka.
20 Ndiya kutêtâ, ukuze ndipêfumle;
Ndiya kuwuvula unlomo wam, ndipêndule.
21 Mandingakê ndinonelele umntu;
Ndingakê nditeketise mntu.
22 Kuba andikwazi ukuteketisa;
Ubeya kundisusa kalula u-Menzi wam.

33 Kodwa kâukuve, Yobi, ukutêtâ kwam,
Uwabekele indlebe amazwi am onke.
2 Kâubone, ndiwuvulile umlomo wam,
Luyatêtâ ulwimi lwam emakûhlangubeni am.
3 Akukutî-tye kwentliziyo yam amazwi am,
Ukwazi komlomo wam akutêtâ kanyulu.
4 Umoya ka-Tîxo wandenza,
Nokupêfumla kuka-Somandla indidlise ubomi.
5 Ukuba unakô, ndipêndule;
Yakâ uluhlu amazwi pâmbî kwam, misa.
6 Uyabona, njengawe ndingoka-Tîxo;
Ndacatshulwa eludongweni nam.
7 Yabona, ukutûsa kwam akuyi kukudandatêkisa;
Nokushicilela kwam akuyi kuba nzima pêzu kwakô.
8 Okunene, utêtê ezindlebeni zam,
Ndaliva izwi lokukûluma, lisitî,
9 Ndiqaqambîle, andinalureqo;
Ndiguxiwe, andinabugwenxa.
10 Yabona, ufuna izizekabani zokutîbana nam,
Utî ndilutshaba lwakê.
11 Uzifaka inyawo zam e-stokisini,
Uwulinda wonke umendo wam.
12 Yabona, akulungisi ngalonto, ndokupêndula;
Kuba u-Tîxo yena mkûlu kunomntu.
13 Yinina, ukuba ubambâne naye?
Kuba engapênduli ngendawo zakê zonke.
14 Kanti hayi, ngendlela enye u-Tîxo uyatêtâ,
Nangezimbîni, ke akukâtâlwa.
15 Epûpêni, embonweni wasebusuku,

Digitized by Google

Bakuwelwa butôngo obukûlu abantu,
Ekozeleni elukûkweni;
16 Uzityila oko indlebe zabantu,
Akutywine akuvingce ukutêtîswa kwabo,
17 Ukuze amtînte umntu ekwenzeni into,
Agubungele uqânqalazo lomfo;
18 Awunqande umpêfumlo wakê esihogweni,
Nobomi bakê bungagqitêli emkôntweni.
19 Ohlwaywe ngumvandedwa esililini sakê,
Nayimfazwe esimakade ematânjeni akê;
20 Ubomi bakê busale isonka,
Nompêfumlo wakê ukwele ukudla okunqwenelekayo.
21 Iyadleka inyama yakê ingabonakali,
Avele amatâmbo akê abengabonakali.
22 Uyasondela-ke esihogweni umpêfumlo wakê,
Nobomi bakê kubabulali.
23 Ukuba-ke kutê kwakô isitûnywa sezulu
Esimlamlelayo, noko sisinye ewakeni,
Sokumxelela umntu okumfaneleyo;
24 Wombabala, atî,
Mkûlule angehli aye esihogweni,
Kuba ndilufumene ucamagusho.
25 Isuka ibe nentlahla inyama yakê;
Ubuyela emihleni yobudodana bakê;
26 Utândaza ku-Tîxo, akôliswe yena nguye;
Abubone ubuso bakê eduma;
Yena ambuyekeze-ke ngomntu bulungisa bakê.
27 Lo uvuma ebantwini, atî,
Bendonile, ndakugwenxa okutê-tye,
Akwalinganiselwa kum njengoko noko.
28 Uwukûlule umpêfumlo wam, ukuba ungagqitêli esihogweni,
Nobomi bam bokubona ukukânya.
29 Yabona, oko konke uyakwenza u-Tîxo
Izihlandlo ezibini nezitâtû kumfo,
30 Ukuba abuyise umpêfumlo wakê esihogweni,
Ukanye ngokukânya kobomi.
31 Baz' indlebe, Yobi, pûlapûla kum;
Yiti-tu, nditêtê mna.
32 Ke ukuba unokutêtâ, ndipêndule;
Têtâ, kuba ndifuna ukukugwebela.
33 Ukuba akukô, pûlapûla kum wena;
Yitî-tu, ndikufundise ubulumko.

34 Wasusela u-Elihu, watî,
2 Yivani, nina zilumko, ukutêtâ kwam;
Nina zazi, ndibekeleni indlebe.
3 Ngokuba indlebe iyakucikida ukutêtâ,
Amakûhlanguba ayakuva ukudla.
4 Masizinyulele okusesikweni,
Sikwazi pâkatî kwetû okulungileyo.
5 Ngokuba utê u-Yobi, Ndililungisa,
U-Tîxo ulisusile ibango lam.
6 Kutîwa, ndiyaxoka noko likôyo ibango lam;
Liyabulala inxeba lam lotolo, noko ndingenalurêqo.
7 Upîna umfo onjengo-Yobi,
Yena ukuselayo ukugcula njengamanzi?
8 Atêlele kubenzi bobutshinga,
Ahambê namadoda angendawo;
9 Kuba esitî, Akancedeki umfo
Ngokukôlana no-Tîxo.
10 Ngako oko, nina madoda okuqonda,
pûlapûlani kum;
Makube lê ku-Tîxo ukuba ngongendawo,
Ku-Somandla ukuba abe nobugqwêtâ.
11 Ke ukwenza komntu ukubuyekeza kuye,
Amfumanise umfo ngokwehambô yakê.
12 Hayi-bo, u-Tîxo akenzi ngokungendawo,
U-Somandla akakugwenxi okusesikweni.
13 Ngubanina ompâtîse umhlaba?
Ngubanina omise elimiweyo lonke?
14 Ukuba ubebêkise kuye ngokwake yedwa,
Wawuhlanganisela kuye umoya wakê nokupêfumla kwakê:
15 Ibiya kupûma umpêfumlo inyama yonke kunye,
Umntu abuyele elutûlini.
16 Wanga ungakuqonda, ungakuva oku,
Ulibekele indlebe izwi lokutêtâ kwam!
17 Kanene, otîye okusesikweni ubengapâtâ ngobukôsi yinina?
Kona u-Sobulungisa womgweba-na?
18 Kungatîwa-na kukumkani, Tshijolondini?

Digitized by Google

Nakumanene, Zintondini zingendawo?
19 Kangakananina-ke kongabanoneleliyo abatêtêli,
Onganoneleli zinongononga ngapêzu kwabasweleyo?
Kuba bangumsebenzi wezandla zakê bona bonke.
20 Bafa ngepânyazo, pâkatî kobusuku;
Bayahexiswa abantu, badlule,
Zisuswe imbâlasane kunge ngasandla.
21 Kuba amehlo akê apêzu kwendlela zomntu,
Uyawabona onke amabanga akê.
22 Akukô bumnyama, akukô tûnzi lakufa,
Ukuba basitêle kulo abenzi bobutshinga.
23 Ngokuba engazekeleli ukumngqinga umntu,
Ukuze eze ematyaleni no-Tîxo.
24 Uyabashwaqa abazinyati engagocagocanga,
Amise-ke abanye esikûndleni sabo.
25 Ngako oko uyazazi izenzo zabo,
Ababûkuqe ebusuku, batyumke.
26 Uyabamonxoza ngokwabangendawo
Endaweni yababoneli.
27 Ekungenxa yokuze kubekô oko, lento batyekayo ekumlandeleni,
Abaziqiqa zonke indlela zakê;
28 Ukuze bakufikise kuye ukukâla kosweleyo,
Akuve ukukâla kwentsizana.
29 Akuzolisa, ngubanina oya kuxâlisa?
Akusitêlisa ubuso, ngubanina ongambonayo?
Esenje njalo, nokuba kungenxa yohlanga, nokuba kungenxa yomntu emnye,
30 Ukuze angabi ngukumkani umntu oyintshembenxa,
Angabi zizîntyelo zabantu.
31 Ngokuba ubani angatsho-na ku-Tîxo ukutî,
Ndizipâkamisile, andisayi kuba sôna;
32 Endingakuboniyo ndiyale ngako;
Ukuba nditê ndenza ngobugqwêtâ, andiyi kupînda?
33 Uya kupîndezela ngokwakô-na yena, ngokuba usolile wena?
Ukuba unyule wena, kunganyuli mna.
Into oyaziyo yitêtê.
34 Aya kutî kum amadoda azingqondi,
Nomfo osilumko ondipûlapûlayo,
35 U-Yobi utêtâ enge nakwazi,
Namazwi akê akanangqiqo.
36 Tafuni, makacikidwe u-Yobi kuse ekupêleni,
Ngenxa yokupêndula kwakê ngokwamadoda anobutshinga.
37 Kuba elongeza uŕeqo kwisono sakê;
Utywafaza izandla pâkatî kwetû,
Awenze amazwi akê maninzi ngo-Tîxo.

35 Wasusela u-Elihu, watî,
2 Uba oku kusesikweni-na,
Ukutî, Ubulungisa bakô bupêzu kobuka-Tîxo;
3 Ukuba utî-nje, Bundinceda nto-nina,
Bundinyusa nganto-nina pêzu kokundinyusa kwesono sam?
4 Ndiya kukupêndula mna, ngokutêtâ
Nabahlobo bakô abanawe.
5 Bêka emazulwini ubone;
Ukângele isibâkabâka, sipêzulu kuwe.
6 Ukuba utî wône, usebenza nto-nina ngakuye?
Kona zakuba zininzi iziŕeqo zakô, umenze nto-nina?
7 Ukuba utê walungisa wena, umpâ nto-nina ngalonto?
Wamkela nto-nina yena esandleni sakô?
8 Kuyinto kwindoda enjengawe ukungabi ndawo kwakô;
Buyinto kuwe, nyana ka-Adam, ubulungisa bakô.
9 Ngenxa yobuninzi bokucudisa bayakâla *abantu;*
Bayazibika ngenxa yengalo yabakûlu.
10 Ke abatsho ukutî, Upîna u-Tîxo u-Menzi wam, Osinika ingoma ebusuku,
11 Osifundisa ngapêzu kwenkomo zomhlaba,
Asipê ubulumko ngapêzu kwentaka zezulu?
12 Bandule bakâle, angapênduli;
Ngenxa yeŕatshi laba nobubi.
13 Hayi yona into ekohlakeleyo akayiva u-Tîxo,
U-Somandla akayikâtâlele.
14 Noko utshoyo ukutî, akumkâtâlele,
Ityala lipâmbî kwakê, lindela kuyeke!
15 Kengoko xa ungekaveleli umsindo wakê,

Digitized by Google

Akazani-na kunene nesikûkumali?
16 Ke u-Yobi ufumane awuvule umlomo wakê,
Akwandise ukutêtâ enge nakwazi.

36 Waqokela u-Elihu, watî,
2 Kâwenze kuhle, ndikutyele;
Kuba kusekô ukutêtâ okusingisele ku-Tixo.
3 Ndiya kukupâkamisela entweni ekude ukwazi kwam,
Ndinnike ubulungisa u-Menzi wam.
4 Okwenene, akubuxoki ukutêtâ kwam;
Ogqibeleleyo ngokwazi upâmbî kwakô.
5 Yabona, u-Tîxo unamandla, akacekisi bani;
Unamandla ngokuqina kwengqondo.
6 Akamlondolozeli ebomini ongendawo;
Intsizana uzinika ibango lazo.
7 Akawasusi amehlo akê kwabangamalungisa,
Ubahlalisa kunye nokumkani e-troneni
Ngonapâkade, bapâkame-ke.
8 Ukuba bakônxiwe ngemixokelelwane,
Bebanjiwe ngezintya zentsizi;
9 Ubaxelela izenzo zabo
Neziŕeqo zabo; ngokuba bezenza amagoŕa;
10 Uzityilela intetîso indlebe zabo,
Utî mababuye ebutshingeni.
11 Ukuba batê beva, bamkônza,
Boyigqiba imihla yabo ekulungeni,
Neminyaka yabo ebumnandini.
12 Ukuba batê abeva, bogqitêla emkônweni,
Bapûme umpêfumlo benge nakwazi.
13 Ke abazintshembenxa ngentliziyo babambâ umsindo;
Abazibiki xa abakônxayo.
14 Ufe-ke ebuncinaneni umpêfumlo wabo,
Nobomi babo bube bobeñawo kwindawo engewele.
15 Uyamhlangula olusizana ngentsizi zakô,
Ayitŷile indlebe yakê ngokuxinwa kwabo.
16 Nawe ubengakukûlulayo yena emlonyeni wembândezelo,
Akuse endaweni ebanzi, emzantsi ungacutêkileyo.
Nokubekwa e-tafileni yakô kuzale kutyeba.
17 Ke wena uzele kugweba kwabangendawo;
Ukugweba nokugwetywa kunako ukukubambâ.
18 Kuba ubushushu mabungakuxôkonxeli ekutywaŕazeni izandla,
Nobukûlu bocamagusho mabungakutî-gubucala.
19 Ukuzibika kwakô kokubeka ngapândle kwembândezelo-na
Nemigushanxa yonke yamandla?
20 Mus' ukuzonda ubusuku
Bokususa izizwe esikûndleni sazo.
21 Lumka, ungaguqukeli konobutshinga;
Kuba unyule lonto kunentsizi.
22 Yabona, u-Tîxo upâkamise ukwenza ngamandla akê;
Ngubanina umyali onjengaye?
23 Ngubanina ompâtîse indlela yakê;
Ngubanina ongatî, Wenze ngobugqwêtâ?
24 Kûmbûla ukuba uwukûlise ngendumiso umsebenzi wakê,
Awuhlabele ingoma amadoda.
25 Bonke abantu bayawubona;
Umntu uwukângela emgama.
26 Yabona, u-Tîxo mkûlu, asimazi;
Inani leminyaka yakê aligocagoceki.
27 Kuba utsalela pântsi amatônti amanzi,
Aeâpâze eyimvula enkungwini yakê,
28 Esiyinisayo isibâkabâka,
Iyuze pêzu kwabantu abaninzi.
29 Kanene bayakuqonda-na ukwanekwa kwamafu
Nokuzongoma komnquba wakê?
30 Yabona, waneka pêzu kwakê ukukânya kwakê,
Azigubungele ngamazantsi olwandle.
31 Kuba ngezonto ugweba izizwe,
Unika ukudla ngento eninzi.
32 Izandla zozibini uzigubungela ngombane,
Awuwisele umtêtô ngokocânayo.
33 Ukugquma kwakê kuyamxela,
Kwa nenkomo ukuba uza kunyuka.

37 Inene, ngalento iyagubâ intliziyo yam,
Ixûme endaweni yayo.
2 Pûlapûlani, pûlapûlani ukuguguma kwezwi lakê,

Digitized by Google

Nokudumzela okupûmayo emlonyeni wakê.
3 Ukusingisa ngapântsi kwezulu lonke,
Nombane wakê uye emasondweni omhlaba.
4 Emva kwawo kubônga izwi,
Ududuma ngezwi lobungangamsha bakê,
Akawulibazisi, xa livakalayo izwi lakê.
5 U-Tixo ududuma ngezwi lakê ngokubalulekileyo;
Eseriza izinto ezinkulu esinge nakuzazi.
6 Kuba utî kwikêpu, Yiwa emhlabeni;
Nakwisipângo semvula,
Nakwisipângo semvula ezinkulu zakê.
7 Isandla soluntu lonke uyasitywina asivingcele,
Ukuba babe nokwazi bonke abantu abenzileyo.
8 Amafamncwa angena emalaleleni,
Ahlale ezikûndleni zawo.
9 Engontsini yase-Ntla kuvela isaqwiti;
Kumpêpêti wase-Ntla kuvela ukubanda.
10 Ngokupêfumla ka-Tixo kuza umkêncê,
Ububanzi bamanzi bucutêke.
11 Kanamjalo usindanisa ihlu ngamanzi amaninzi;
Upângalalisa amafu akê abanekayo.
12 Wona ajikajika ngenxa zonke ngokwalatîsa kwakê,
Ukuze enze konke awawamisela kôna
Ebusweni behlabati elimiweyo;
13 Nokuba kungenxa yokubetâ, nokuba kungenxa yomhlaba wakê,
Nokuba kungenxa yenceba uyawafikisa.
14 Oko kubekele indlebe, Yobi;
Yima, uyiqale imisebenzi ebalulekileyo ka-Tixo.
15 Uyazi-na ukuwatwesa kuka-Tixo amafu akê,
Nokubengezelisa kwakê ukubaneka kwawo?
16 Uyazi-na ukulinganiselwa kwamafu,
Imisebenzi ebalulekileyo yo-Sôkwazi?
17 Wena ungubo zifudumeleyo,
Lakuzola ilizwe lalopû lwase-Zantsi;
18 Usikânda usolule naye-na isibâkabâka,
Esiqinileyo njengento yokuzikângela etyidiweyo?
19 Sazise esingakutêtâyo tina kuya;
Asinakucacisa nto ngenxa yobumnyama.
20 Wobikelwa-na ukuti ndiyatêtâ?
Umntu utî makaginywe-na?
21 Kengoku akubonwa kukânya,
Okukâzimlayo, okusesibâkabâkeni;
Kudlula umoya, lise.
22 E-Ntla kuziwa ne-golide;
Pêzu ko-Tixo yindili eyoyikekayo.
23 U-Somandla asinakumfumana, mkûlu ngamandla;
Akagwenxi sikô naboninzi bobulungisa.
24 Ngako oko bamoyika abantu;
Akabakâtâlele bonke abalumke ngokwabo.

38 Waza u-Yehova wampêndula u-Yobi, esemoyeni ovutûzayo, watî,
2 Ngubanina lo usitâ icebo
Ngokutêtâ okunge nakwazi?
3 Kâuwabînqise njengomfo amanqe akô;
Ndikubuze, undazise.
4 Ubupina ukuseka kwam umhlaba?
Xela, ukuba uyazi, uyaqonda.
5 Ngubanina omise imilinganiso yawo, ukuba uyazi?
Ngubanina owolulele ulutya lokulinganisa?
6 Zifakwe ntweni-nina izikôndo zentsika zawo?
Ngubanina owabeka ilitye lawo lembômbô,
7 Ekumemeleleni kunye kwamakwezi okusa,
Beduma bonke onyana baka-Tixo?
8 Ngubanina owaluvingcelayo ulwandle ngengcango
Ekutyobozeni kwalo, lupûma esizalweni;
9 Ekulwambâtiseni kwam ngamafu,
Ekulusongeleni ngesitôkotôko;
10 Ndakulusikela umda wam,
Ndakumisa imivalo nengcango;
11 Ndatî, Fik'apâ, ungegqitî;
Eme apâ amaza akô afatshayo?
12 Ngemihla yakô wakâ wayiwisela umtêtô-na intsâsa,
Wasazisa isifingo indawo yaso;

Digitized by Google

13 Ukuba sibambê amasondo omhlaba,
Bavutûlulwe kuwo abangendawo?
14 Uguquke njengodongwe lomsesane wokutywina;
Zizimise ngokwazo izinto njengasesambâtŵeni;
15 Abangendawo bavinjwe ukukânya kwabo,
Nengalo epâkamileyo yapûlwe.
16 Uye wafika-na emitônjeni yolwandle?
Wahambâhambâ ezingontsingontsini zenzonzobila?
17 Uwatŷilelwe-na amasango okufa?
Namasango etûnzi lokufa wawabona?
18 Ubugqalile-na ububanzi bomhlaba?
Xela, ukuba uyakwazi oko konke.
19 Ipîna indlela esa ekâya lokukânya,
Nobumnyama ipîna indawo yabo;
20 Ukuba ubuse emdeni wabo,
Ukuba uqonde indlela zendlu yabo?
21 Uyazi kambê, ngokuba wause uzelwe oko,
Lilikûlu nenani lemihla yako!
22 Ufikelele-na ebuncwaneni bekêpu?
Ubuncwane besicôto wabubona,
23 Endabuqwebela ixesha lembândezelo,
Imini yokudibana nemfazwe?
24 Ipîna indlela, yalapô kwabiwa kôna ukukânya?
Yalapô lupângalaliswa kôna ulopû lwempumalanga emhlabeni?
25 Ngubanina ogqobozela isipângo umjelo,
Ogqobozela umbane wendudumo indlela;
26 Ukuba ine ezweni elinge namntu,
Entlango apô kungekô mntu;
27 Ihlutise intshabalala yakwantshabalala,
Intshulise uhlaza olupûmayo?
28 Inoyise-na imvula?
Ngubanina ozala amatôntsi ombetê?
29 Upûma umkêncê esizalweni sikabanina?
Neqabaka yasezulwini izalwa ngubanina?
30 Amanzi ayaqina njengelitye,
Nobuso bamanzi anzongonzongo bubambêne.
31 Unokuwabopâ-na amaqina esilimela,
Uzicombûlule izintya zamaroza?
32 Unokuyivelisa-na imilindo yenyanga ngexesha layo.
Uzalatise inkwenkwezi ze-Bere nabantwana bayo?
33 Uyayazi-na imimiselo yamazulu?
Umise ulaulo lawo emhlabeni?
34 Unokulipâkamisela emafini-na izwi lakô,
Ukuze ubuninzi bamanzi bukugubungele?
35 Unokuyitûma-na imibane, ihambê
Itî kuwe, Sikô?
36 Ngubanina omise ubulumko ezintsweni?
Ngubanina onike imbôniseli ingqondo?
37 Ngubanina obala ingqimbâ zamafu ngobulumko?
Ngubanina otûlula intsuba zezulu,
38 Emelelweni wotûli lube lutŷido,
Amagada anamatêlane?
39 Ingonyamakazi unokuyizingelela inyamakazi-na?
Uzalise inkanuko yengonyama ezintsha,
40 Xa zincatâmayo ezikûndleni zazo,
Zihlale ezindadeni, zilalele?
41 Ngubanina olungisela ihlungulu umfunzelo walo,
Xa amatôle alo azibika ku-Tixo,
Ebâdubâdula enge nakudla?

39 Uyalazi-na ixesha lokuzala kwamagogo asemaweni,
Ugqale ukuzûzâ kwamaxâmakazi?
2 Uyazibala-na inyanga, azizalisayo,
Ulazi-na ixesha lokuzala kwawo?
3 Ayaguqa, azale,
Akûpe inkonyana.
4 Ayomelela amankonyana awo, akûla ematâfeni,
Apûma angabi sabuya.
5 Ngubanina olindululeyo i-esile lasendle likûlulekile?
Imbôpélelo ze-esile elindwebileyo, ngubanina ozitûkululeyo?
6 Endilimisele inqantosi ukuba ibe yindlu yalo,
Nendawo ezinetyuwa zibe likâya lalo.
7 Liyayihleka ingxokolo yomzi,
Aliyiva ingxolo yomqûbi.
8 Umfuno wentaba butyani balo,
Lilanda lonke uhlaza.
9 Yovuma-na inqu ukukukônza?
Ilale e-stalini sakô?

Digitized by Google

10 Unokuyibopâ-na inqu emqeleni ngomqokozo wayo,
Iqwakanise intili, ikulandela?
11 Wokôlosa-na ngayo, ngokuba emakûlu amandla ayo?
Ukushiye nayo ukuxelenga kwakô?
12 Unokukôlwa-na kuyo, ukuba yoyigodusa imbêwu yakô,
Ibutêle esandeni sakô?
13 Ipiko lencinibakazi liyapâpâ,
Lunenceba yengwamza-na-ke usiba lwayo noboya bayo?
14 Hayi-bo, iwashiya emhlabeni amaqanda ayo,
Ifukamele elutûlini;
15 Ilibale, ukuba unyawo lowatyumza,
Nefamncwa lasendle lowanyatêla.
16 Iyawabukula amatôle ayo ngatî asingawayo;
Kupâlale ukuxelenga kwayo ingaxâli.
17 Ngokuba u-Tîxo wenze yabulibala ubulumko,
Akayabela ingqondo.
18 Xesha limbî izibetâ ipâkame,
Ilihleke ihashe nomkŵeli walo.
19 Linikwa nguwe-na ihashe ubuŕoti?
Uyambâtîse intamo yalo ngobuyakayaka?
20 Nguwe-na oliqakatîsa njengenkumbî?
Isandi somfutô walo siyetûsa.
21 Liyagquba entilini ngamanqina, lenze amagqasi ngamandla;
Lipûma likâulele umkôsi onesiŕweqe.
22 Liyakuhleka ukunkwantya; aliqîpûki mbilini;
Alijiki pâmbî kweŕele.
23 Ufashaza pêzu kwalo umpôngolo,
Nentshuntshe ebengezelayo nenculâ.
24 Ngentshakavu nangencŵangu liginya ilizwe,
Alimi kwakuvutêlwa isigodlo,
25 Okuvutêla sivutêlwayo isigodlo, lisuke ngati litî, Nxâtsho-ke!
Lisezela imfazwe kwakude,
Nokududuma kwabatêtêli nokufunza.
26 Untloyiya upâpâzela ngengqondo yakô-na,
Olule amapîko akê, abêke e-Zantsi?
27 Kungomtêtô wakô-na, ukuba ixâlanga linyuke,
Liyipâkamise indlu yalo?
28 Lihlale engxondoŕeni, lilale
Etsolweni lengxondoŕa nasembônisełweni.
29 Lilapô lihlola ukudla;
Amehlo alo ondele kude.
30 Amatôle alo afunxa igazi,
Nalapô bakôna abanxweleŕiweyo, likôna nalo.

40 U-Yehova wampêndula u-Yobi, watî,
2 Wobambâna no-Somandla-na-ke umtêtîswa?
Umohlwayi ka-Tîxo makakupêndule oko.
3 U-Yobi wampêndula u-Yehova, watî,
4 Yabona, ndipântsi; ndotî-nina ukupêndula?
Ndibeka isandla sam emlonyeni wam.
5 Nditêtîle kwakanye, andikupînda ndipêndule;
Nditêtîle kwakabini, andikupînda ndibe ndiqûbe.

6 U-Yehova wampêndula u-Yobi, esemoyeni ovutûzayo, watî,
7 Kâuzibînqise amanqe akô njengomfo;
Ndiya kukubuza, undazise.
8 Kanene uya kwapûla nogwebo lwamna,
Undigwebe, ukuze ube lilungisa?
9 Unengalo enjengeka-Tîxo-na,
Ududume ngezwi njengaye?
10 Kâuzihombîse-ke ngobungangamsha nokupâkama kwakô,
Wambâtê indili nobungangamela.
11 Makupâlale ukupûpûma komsindo wakô,
Ulibone lonke iŕatshi, uligungxule.
12 Libone lonke iŕatshi, ulitôbe,
Ubangqule abangendawo endaweni zabo.
13 Baqûsheke elutûlini kunye,
Ububopê ubuso babo emfihlekweni;
14 Nam ndokudumisa,
Ukuba sikusindisile isandla sakô sokunene.
15 Kâuyibone imvubu endayenza yanawe:
Idla utyani njengenkomo.
16 Kâubone amandla ayo asemanqeni ayo,
Nokuqina kwayo kusezinyameni zesisu sayo.
17 Igoba umsila wayo njengom-sedare,
Imisipa yamatângâ ayo ibijelene.

Digitized by Google

18 Amatâmbô ayo anjengemibôlompo yobêdu,
Amatâmbô ayo anjengemivalo yesinyiti.
19 Iyintlahlela yendlela zika-Tixo;
Umenzi wayo wayinika irele layo.
20 Ngokuba intaba ziyitwalela ukudla,
Onke amafamncwa asendle adlala kô-na.
21 Ibutâ pântsi kwemitôlo,
Engcotyeni yengcongolo nomgxobozo.
22 Imitôlo iyigubungela ngomtûnzi wayo;
Inincûluba yesihlambô iyayijikeleza.
23 Yabona, uhambâ pândle umlambô, ayipâkuzeli;
Ikôlosile, xa butyobozela ne-Yordan emlonyeni wayo.
24 Inokubanjwa na inamehlo-nje,
Igqojozwe impumlo ngentsimbi yokutiyela?

41 Unokuyifola-na ingwenya ngegwegwe?
Ulutshonise elutyeni ulwimi wayo?
2 Unokuyifaka intamb-omzi empumlweni yayo-na,
Ugqoboze izidlele zayo ngentola?
3 Ingatafuzisa kunene-na kuwe?
Itêtê amazwi atâmbileyo kuwe?
4 Ingenza umnqopiso-na nawe
Wokuba uyitâbatê ibe likôboka lapâkade?
5 Ungadlala-na nayo njengentaka?
Uyikûlekele intombâzana zakô?
6 Angafweba ngayo-na amahlulelana abambisayo?
Ayabe pâkati kwabafwebi?
7 Unokusizalisa-na isikûmbâ sayo ngenyembê,
Nentloko yayo ngezikâli zentlanzi?
8 Beka isandla sakô kuyo;
Kûmbûla imfazwe, ungapindi.
9 Yabona, ukulinda kobambisayo ngamanga;
Inene, uqetûka kwa esayibona.
10 Akukô sijofa sokuyixôkonxa;
Ngubanina-ke ongazimisa pâmbi kwam?
11 Ngubanina ondipângeleyo wandinika, ukuba ndibuyekeze?
Okupântsi kwezulu lonke kokwam.
12 Andiyi kuti-tu ngamalungu ayo,
Nendawo zobugofa bayo, nezimbô zezintlu zayo.
13 Ngubanina onokuwutyila umpâmbili wesambâtô sayo;
Ezintlwini ezimbini zemihlati yayo, ngubanina onokuya?
14 Ingcango zobuso bayo, ngubanina onokuzivula?
Ngenxa zonke emazinyweni ayo sitûso.
15 Iliqâyiya imiqela yengweletshetshe zayo,
Zivalwe ngetywina eliqinileyo.
16 Zisondelene enye nenye,
Akungeni moya pâkati kwazo.
17 Zinamatêlene enye kwenye,
Zibambêne zingabi nakwahlukana.
18 Ukutimla kwayo kukûpâ imitâ,
Namehlo ayo anjengenkopê zesifingo.
19 Emlonyeni wayo kupûma izikûni zomlilo ezitshangazayo,
Kutâpuke intlantsi zomlilo,
20 Ematâtêni ayo kupûma umsi,
Njengowongxawu okwezelwa ngemizi.
21 Umpêfumlo wayo uvutisa amalahle,
Kupûma amalangatye emlonyeni wayo.
22 Entanyeni yayo kulele amandla,
Ebusweni bayo kuxina ukuncama.
23 Imihlubulo yenyama yayo inamatêlene,
Iqinile kuyo, ayishukumi.
24 Intliziyo yayo iqine njengelitye,
Iqine njengelokusila langapântsi.
25 Ekupâkameni kwayo ziyanxungupâla injengele,
Zitî-makatâ ngokuqipuk' umbilini.
26 Lifike kuyo irele, alimi;
Nantshuntshe, namkonto, nankonjane.
27 Iti, singumququ isinyiti,
Liviti ubêdu.
28 Utolo lwesapêtâ aluyibalekisi;
Ajika abe ngumququ amatye okusaula kuyo.
29 Iti imivinqi zindiza,
Ikuhleke ukutyityimbâ kwenculâ.
30 Ngapântsi kwayo zinkambâ ezitsolo.
Yaneka impâhla yokusizila eludakeni.
31 Iyibilisa inzulu njengembiza,
Ulwandle ilwenza njengehlala loqôlo.
32 Emva kwayo kukânya indlela;

Digitized by Google

Babe amanzi anzongonzongo zizimvi.
33 Emhlabeni akukô nto ifana nayo,
Le yenziwayo ayabi nakuqipuk' umbilini.
34 Ibona konke okupâkamileyo,
Ingukumkani yona kwizilo zonke ezinyalasayo.

42 U-Yobi wampêndula u-Yehova watî,
2 Ndiyazî ukuba unakô ukufeza konke,
Akunqatyelwa nto uyicingileyo.
3 Ngubanina lo usitê icebo enge nakwazi?
Ngoko-ke nditêtê ndingaziqondi
Izinto ezibalulekileyo kum, ndingazazi.
4 Kâupûlapûle, nditêtê mna;
Ndiya kubuza kuwe, undazise.
5 Bendikuva ukukuva ngendlebe,
Kungoku iliso lam likubonile.
6 Ngenxa yoko ndiyazicekisa, ndizohlwaye,
Ndiselutûlini naselutûtwini.

7 Kekaloku kwatî, emva kokuba u-Yehova ewatêtile lamazwi ku-Yobi, watî u-Yehova ku-Elifazi wakwa-Teman, Umsindo wam uyavutâ kuwe nakowenu bobabini; kuba anitêtânga nto iyiyo ngam njengesicaka sam u-Yobi.
8 Ngoku-ke zitâbatêleni inkunzi ezintsha zenkomo zibe sixênxe, nenkunzi zegusha zibe sixênxe, niye kwisicaka sam u-Yobi, nizinyusele idini elinyukayo u-Yobi isicaka sam anitândazele; ndomnonelela yena yedwa, ukuze ndingenzi kuni ngokobudenge benu; kuba ningatêtânga nto iyiyo ngam njengesicaka sam u-Yobi.
9 Baya-ke o-Elifazi wakwa-Teman, no-Biledadi wakwa-Shuwa, no-Tsofare wase-Nahama, benza njengoko wakutêtâyo kubo u-Yehova. Waza u-Yehova wamnonelela-ke u-Yobi.
10 U-Yehova wakubuyisa ukutînjwa kuka-Yobi, akubon'ukuba ubatândazele owabo. Wakongeza u-Yehova konke awaye nakô u-Yobi, kwada kwapîndwa kabini.
11 Beza kuye bonke abazalwana bakê, nodade bakê bonke, nabo bonke ababesâzana naye ngenx' engapâmbili, badla naye isonka endlwini yake, bamkûza, bamtûtûzela ngenxa yobubi bonke, abemfikisele bona u-Yehova; bamnika elowo ikûlu lemali, elowo ijikazi le-golide.
12 U-Yehova wakusikelela ukupêla kuka-Yobi ngapêzu kokuqala kwakê; waba neshumi elinesine lamawaka empahl' emfutshane, nesitândatû samawaka en-kamela, newaka lezibini zenkomo, newaka lemazi ama-esile.
13 Waba nonyana abasixênxe, nentombi ezintâtû.
14 Igama leyokuqala kwatîwa ngu-Yemima, igama leyesibini ngu-Ketsiya, igama leyesitâtû ngu-Keren-hapuki.
15 Akwafumaneka mankazana mahle njengentombi zika-Yobi ezweni lonke. Uyise wazinika amafa pâkatî kwabanakwazo.
16 Emveni koko, u-Yobi wadla ubomi iminyaka elikûlu elinamanci mane, wabona onyana bakê nonyana bonyana bakê, izizukulwana zazine.
17 Wafa-ke u-Yobi, eyindoda enkulu, epêlele ebudaleni.

INCWADI YENDUMISO.

I.

HAYI uyolo lomntu ongahambîyo ngecebo labangendawo,
Ongemiyo endleleni yaboni,
Ongahlaliyo embûtweni yabagxeki.
2 Yena unonelela umyalelo ka-Yehova;
Ucamanga ngomyalelo wakê imini nobusuku:
3 Unjengomtî omiliselwe pêzu kwemijelo yamanzi,
Onika isiqâmo sawo ngexesha lawo;
Ogqabi lawo lingabuniyo;
Konke akwenzayo kopûmelela.

Digitized by Google

4 Abanjalo abangendawo;
Bona banjengomququ opêtshetwa ngumoya.
5 Ngenxa yoko abangendawo abanakuma emgwebeni,
Naboni ebandleni lamalungisa.
6 Ngokuba u-Yehova eyazi indlela yamalungisa,
Ke yona indlela yabangendawo iya kudaka.

2 Yinina ukuba intlanga zenze imbûtumbûtu,
Izizwe zicamange into engeyakô nto?
2 Okumkani bomhlaba bazimisile,
Izidwangube zabûnga
Ngo-Yehova nangomtânjiswa wakê,
3 *Besiti*, Masiziqâule imbôpêlelo zabo,
Sizilahle izintya zabo kutî.
4 Ohleli emazulwini uyahleka,
I-Nkosi iyabagculela.
5 Iya kwandula itêtê kubo ngomsindo wayo,
Ibakwanqise ngokuvutâ kwayo.
6 *Iti*, Mna-ke ndimmisile ukumkani wam
Pêzu kwe-Tsiyon, intaba yam engcwele.
7 *Ati* yena, Ndiya kuwuvakalisa ummiselo:
U-Yehova utê kum, Ungu-Nyana wam wena;
Mna namhla ndikuzele.
8 Cela kum, ndikunike intlanga *zibe* lilifa lakô,
Izipêlo zomhlaba zibe zezakô.
9 Uya kuzivikiva ngentonga yentsimlî,
Uzihlekeze zinge zizitya zodongwe.
10 Ngoko-ke, nina bokumkani qiqani,
Bagwebi basemhlabeni, yalekani.
11 Mkônzeni u-Yehova nisoyika,
Gcobani nitûtûmela.
12 Mangeni u-Nyana, hleze aqumbê, nitshabalale endleleni,
Ngokuba ungahle uvutê umsindo wakê.
Hayi uyolo lwabo bonke abazimela ngaye.

Umhobe ka-Davide, ekubalekeni kwakô ku-Absalom unyana wake.

3 Yehova, hayi ukuba baninzi kwabandibandezelayo!
Baninzi abasukela pêzulu kum.
2 Baninzi abatî kumpêfumlo wam,
Akunalusindiso ku-Tîxo. (Pâkamisani.)
3 Ke wena, Yehova, uyingweletshetshe kum,
Uluzuko lwam, umpâkamisi wentloko yam.
4 Ndidanduluka ku-Yehova ngezwi lam,
Andipêndule entabeni yakê engcwele. (Pâkamisani.)
5 Ndalala pântsi, ndalala ubutôngo;
Ndavuka, ngokuba u-Yehova endixâsa.
6 Andizoyiki izigidi zabantu
Abakê uluhlu lokulwa ngenxa zonke kum.
7 Kâusuk'ume, Yehova; ndisindise, Tîxo wam;
Ngokuba uzibetâ zonke intshaba zam emhlatîni;
Amazinyo abangendawo uyawapûla.
8 Usindiso loluka-Yehova—
Mayibe pêzu kwabantu bakô intsikelelo yakô. (Pâkamisani.)

Kumongameli wokubetêlwa izinto esinentambô. Umhobe ka-Davide.

4 Ekudandulukeni kwam ndipêndule, Tîxo wobulungisa bam;
Embândezelweni yam wandenzela indawo ebanzi;
Ndibabale, uwuve umtândazo wam.
2 Nina, bonyana babantu, kuninina uzuko lwam niluhlaza,
Ninxâmele into engeyakô nto, nitânda amanga? (Pâkamisani.)
3 Yazini-ke ukuba u-Yehova uzibalulele owenceba;
U-Yehova uyapûlapûla ndakudanduluka kuye.
4 Qumbâni, ningoni;
Têtâni nentliziyo zenu ezinkukweni zenu; nitî-cwaka. (Pâkamisani.)
5 Bingelelani imibingelelo yobulungisa,
Nikôlose ngo-Yehova.
6 Baninzi abatî, Ngubanina owosibonisa okulungileyo?
Sipâkamisele ukukânya kobuso bakô, Yehova.
7 Uyivuyisile intliziyo yam,
Kunexesha lobuninzi benqôlowa yabo ne-wayini yabo entsha.
8 Ndiya kulala pântsi, ndilale ubutôngo kwa ngoku, ndixolile,
Ngokuba wena, Yehova, undihlalisa ndikôlosile, noko ndindedwa.

Digitized by Google

Kumongameli; ngogwali. Umhobe ka-Davide.

5 Wabekele indlebe amazwi am, Yehova,
Kuqonde ukucamanga kwam.
2 Libazele indlebe izwi lokuzibika kwam, kumkani wam, Tixo wam;
Ngokuba nditåndaza kuwe.
3 Yehova, uyakuliva izwi lam kwakusasa,
Kwakusasa ndiya kuwusingisa kuwe *umtåndazo wam*, ndibonisele.
4 Ngokuba wena akungu-Tixo onanze okungendawo,
Akanakupåmbûkela kuwe onobubi.
5 Abanakuma abaqåyisi påmbî kwamehlo akô;
Uyabatîya bonke abasebenzi bobutshinga.
6 Uyabatshabalalisa abatêtå amanga;
Indoda enegazi nenkohliso ilisikizi ku-Yehova.
7 Ke mna, ndinokungena endlwini yakô ngenceba yakô eninzi;
Ndiqubude ndibêkise e-tempileni yakô engcwele ngokukoyika.
8 Yehova, ndikåpê ngobulungisa bakô ngenxa yabandilaleleyo;
Yilungelelanise indlela yakô påmbî kwam.
9 Ngokuba emlonyeni wabo akukô nto imiyo,
Umbilini wabo ngumeyeliselo;
Lincwaba elivuliweyo umqala wabo;
Batêtå okugudileyo ngolwimi lwabo.
10 Batwalise ityala, Tixo;
Makatshitshe amaqinga abo;
Elurêqeni lwabo oluninzi batyåle,
Ngokuba bakupîkisile;
11 Mabavuye bonke abazimela ngawe,
Bamemelele ngonapåkade, ubakûsele;
Badlamke ngawe abalitåndayo igama lakô.
12 Ngokuba wena uyalisikelela ilungisa, Yehova, ulihlanganisele ngenkoliseko njengekåka.

Kumongameli wokubetêlwa izinto esinentambô; ngelamadoda *ilizwi*. Umhobe ka-Davide.

6 Yehova, mus'ukundohlwaya unomsindo,
Unganditêtîsi unobushushu.
2 Ndibabale, Yehova, ngokuba ndiyayoba;
Ndipîlise, Yehova, ngokuba ekwanqisiwe amatåmbô am.
3 Umpêfumlo wam ukwanqiswe kakûlu;
Ke wena, Yehova, koda kubê ninina?
4 Buya, Yehova, uwuhlangule umpêfumlo wam;
Ndisindise ngenxa yenceba yakô.
5 Ngokuba ekufeni akusekô kukukûmbûla;
Kwelabafileyo[1] ngubanina osenokubulela kuwe?
6 Ndidiniwe kukugcuma kwam;
Ndiludadisa ubusuku bonke ukûko lwam,
Ndiyinyela i-koyi yam ngenyembêzi zam.
7 Lonakele kukåtåzeka iliso lam;
Lalupêle ngenxa yababandezeli bam bonke.
8 Sukani kum, nina nonke basebenzi bobutshinga;
Ngokuba u-Yehova ulivile izwi lokulila kwam.
9 Ukuvile u-Yehova ukutafuzisa kwam;
U-Yehova umtåndazo wam uyawamkela.
10 Ziya kudana zikwanqe kakûlu zonke intshaba zam;
Ziya kubuyiswa zidanile ngepånyazo.

I-shigayon ka-Davide, a wayivumayo ku-Yehova ngenxa yamazwi ka-Kushi um-Benyamin.

7 Yehova, Tixo wam, ndizimela ngawe;
Ndisindise kubo bonke abandisukelayo, undihlangule,
2 Hleze bawuqwenge njengengonyama umpêfumlo wam,
Bawudlavule, kungekô mhlanguli.
3 Yehova, Tixo wam, ukuba ndilê ndenza oku,
Ukuba kukô ubugqwetå ezandleni zam,
4 Ukuba ndimpåtå kakubi obexolelene nam,
Ndambûnyula ondibandezele kungekô sizatû:
5 Maluwusukele utshaba umpêfumlo wam, luwufumane,
Lubunyashele påntsi ubomi bam;
Uzuko lwam lululalise elutûlini.
(Påkamisani.
6 Kåusuk'ume, Yehova, unomsindo,
Kupåkamele ukupûpûma komsindo wabandibandezelayo;
Uvuke undikåulele; wena umise umgwebo.

[1] E-Hadesi.

Digitized by Google

7 Ibandla lezizwe malikungqonge;
Ubuyele pezulu pezu kwalo.
8 U-Yehova uya kugweba pakatî kwezizwe;
Litêtê ityala lam, Yehova, ngobulungisa bam, nangokugqibelela kwam okukum.
9 Mabupêle ububi babangendawo, ulizimase ilungisa;
Ungumcikidi wentliziyo nezintso, Tixo wobulungisa.
10 Ingweletshetshe yam ino-Tixo,
Umsindisi wabantliziyo zitê-tye.
11 U-Tixo ngumgwebi olilungisa;
Ungu-Tixo obâvuma yonke imihla.
12 Ukuba ongendawo utê akabuya, ulilelile irele lakê;
Usityedile isapêtâ sakê, wasilungisa.
13 Uzibêkise kuye izixôbo zokufa;
Uzenze zanomlilo intolo zakô.
14 Yabona, yena unenimbâ yobutshinga;
Ukâule ububi, wazala ubuxoki;
15 Umbê umhâdi, wawugombâ;
Wevela esihogweni awasisebenzayo.
16 Ububi bakê bobuyela entloko yakê;
Naselukakayini lwakê kufike ubugonyamela kwakê.
17 Ndiya kubulela ku-Yehova ngokobulungisa bakô,
Ndivume ngendumiso kwigama lika-Yehova opêzu konke.

Kumongameli; ngolwase-Gati. Umhobe ka-Davide.

8 Yehova, Nkosi yetû,
Hayi ubungangamsha begama lakô emhlabeni wonke!
Wena uwambâtîse amazulu ngendili yakô.
2 Emlonyeni wabantwana nabanyayo useke amandla
Ngenxa yababandezeli bakô,
Ukuze udambîse utshaba nopîndezelayo.
3 Xa ndiwakângelayo amazulu akô, umsebenzi weminwe yakô,
Inyanga nenkwenkwezi ozimisileyo;
4 Uyinto-nina umntu-lo lento umkûmbûlelayo?
Unyana ka-Adam lento umvelelayo?
5 Umsilelise kancinane ebu-Tixweni,
Wamtî-jize ngobuqaqauli nangobungangamela.
6 Umpâtîse ubukôsi pezu kwemisebenzi yezandla zakô,
Zonke izinto uzibeke pântsi kwenyawo zakê;
7 Impahl' emfutshane nenkomo zonke zipêlele,
Kwa neyamakazi zonke;
8 Intaka zezulu, nentlanzi zolwandle,
Into ehambâ ngendlela zolwandle.
9 Yehova, Nkosi yetû,
Hayi ubungangamsha begama lakô emhlabeni wonke!

Kumongameli; nge-muto-laben. Umhobe ka-Davide.

9 Ndiya kubulela ku-Yehova ngentliziyo yam yonke;
Ndiya kuyibalisa yonke imisebenzi yakô ebalulekileyo.
2 Ndiya kuvuya ndidlamke ngawe;
Ndiya kulibetêla uhadi igama lakô wena Usenyangweni.
3 Ekubuyeni kwentshaba zam umva,
Zisiwa zibûbê ebusweni bakô.
4 Ngokuba ulifezile ityala lam nebango lam;
Uhleli e-troneni ungumgwebi olilungisa.
5 Uzikâlimele intlanga, wabatshabalalisa abangendawo;
Igama lazo ulicimile ngonapâkade kanapâkade.
6 Intshaba zona zigqibele, yangamanxuwa kwapêla;
Imizi uyinyotûle,
Yadaka inkumbûlo yayo yona.
7 Ke yena u-Yehova uhleli ngonapâkade,
Uyizinzisele ugwebo i-trone yakê.
8 Uya kugweba yena kwelimiweyo ngobulungisa,
Agwebe pâkatî kwezizwe ngokutêtye.
9 U-Yehova makabe yingxonde kotyunyuziweyo,
Ingxonde ngamaxesha engxingongo.
10 Bakôlose ngawe abalaziyo igama lakô;
Ngokuba akubashiyanga abakufunayo wena, Yehova.
11 Vumani ngendumiso ku-Yehova ohlala e-Tsiyon;
Xelani ezizweni izenzo zakê ezincamisileyo.
12 Ukuba umpîndezeli wamagazi ubakûmbûle;
Akakulibalanga ukukâla kwabalulamileyo.

Digitized by Google

13 Ndibabale, Yehova;
Zibone intsizi zam ezikôyo ngabanditîyayo,
Mpâkamisi wam emasangweni okufa;
14 Ukuze ndibalise yonke indumiso yakô,
Emasangweni entombî u-Tsiyon,
Ndigcobe ngosindiso lwakô.
15 Intlanga zitshone esihogweni ezasenzayo,
Emnatêni ezawugqumelayo kubanjiswe kwa olwazo unyawo.
16 Uzazisile u-Yehova; wenza umgwebo;
Emtîyela ngomsebenzi wezandla zakê ongendawo.
(Betani uhadi ngofefe. Pâkamisani.)
17 Baya kubuyela kwelabafileyo abangendawo,
Kwa intlanga zonke ezimlibalayo u-Tîxo;
18 Ngokuba aliyi kuhlala lilityalwa ihlwempu,
Itêmbâ lentsizana aliyi kudaka ngonapâkade.
19 Kâusuk'ume, Yehova; malungancwangushi uluntu,
Mazigwetywe intlanga pâmbî kwakô.
20 Zimisele ukoyika, Yehova,
Zazi intlanga ukuba zîluluntu kupêla. (Pâkamisani.)

10 Yinina ukuba umele mgama, Yehova?
Uzifihle ngamaxesha engxingongo?
2 Ngokuratsha kwabangendawo bayatsha abazintsizana;
Babanjiswa ngamayelenqe abawacingileyo.
3 Ngokuba ongendawo uyaqâyisa ngeminqweno yompefûmlo wakê,
Nolibawa wahlukene no-Yehova, wamgiba.
4 Ongendawo ngobucî bakê *uti*, Akasayi kubuza.
Yonke iminqangiyelo yakê itî, Akukô Tîxo.
5 Ziqinile indlela zakê ngamaxesha onke;
Zipâkamile izigwebo zakô, zikude kuye;
Bonke ababandezeli bakê uyabafutêla.
6 Utî entliziyweni yakê, Andisayi kushukunyiswa;
Izizukulwana ngezizukulwana ndingongayi kuba sebubini.
7 Umlomo wakê uzele kushwabula nokukohlisa nokuxinezela.
Ngapântsi kolwimi lwakê bububi nobutshinga.
8 Uhlala emilaleleni yenqîli;
Agwinte omsulwa entsitêlweni;
Amehlo akê azonda oludwayi;
9 Ulalela entsitêlweni njengengonyama eludadeni lwayo;
Ulalela ukuba axwile emke nosizana;
Uxwila emke nolusizana elutsala ngomnatâ wakê.
10 Uyabutuma, uyabunguzela,
Bawele ezinzitsheni zakê abazindwayi.
11 Utî entliziyweni yakê, U-Tîxo ulibele,
Ubusitêlisile ubuso bakê, akabonanga nento.
12 Kâusuk'ume, Yehova, pâkamisa isandla sakô, Tîxo.
Mus'ukubalibala abalulamileyo.
13 Kungenxa yanina ukuba ongendawo amgibe u-Tîxo,
Atî entliziyweni yakê, Akuyi kubuza?
14 Ubonile wena; ngokuba uyabubona ububi nenkâtâzo, ububeke esandleni sakô;
Uzinikela kuwe oludwayi;
Ungumncedi wenkedama wena.
15 Yapûla ingalo yongendawo;
Onobubi, mbuze okungendawo kwakê, kungasali nento.
16 U-Yehova ngu-Kumkani ngonapâkade kanapâkade;
Zitshabalele intlanga, azabikô emhlabeni wakê.
17 Umnqweno wabalulamileyo uwuvile, Yehova;
Wazizimasa intliziyo zabo, wayibaza indlebe yakô,
18 Ukuba ugwebe ityala lenkedama noshicilelweyo,
Angabi sabangoangcazelisa umntu wasemhlabeni.

Kumongameli. Eka-Davide.

11 Ndizimela ngo-Yehova;
Ningatî-nina ukutî kumpêfumlo wam,
Balekela entabeni yakô njengentaka?
2 Ngokuba, nabo abangendawo begoba isapêtâ,

Digitized by Google

Bezilungisile intolo zabo entanjeni,
Ukuba batole besitêle kwabantliziyo zitê-tye.
3 Xa iziseko zitê zagungxulwa,
Ilungisa linokutî-nina?
4 U-Yehovæ, ulo-tempile yakê iyingcwele,
U-Yehova, ulo-trone yakê isezulwini;
Amehlo akê ayababona, inkopê zakê ziyabacikida onyana baka-Adam.
5 U-Yehova uyalicikida ilungisa;
Ke yena ongendawo notând' ukugonyamela umtîyile umpêfumlo wakê.
6 Uya kubanisela abangendawo imigibe;
Umlilo ne-sulfure nomoya olulopû yindebe yabo abayabelweyo;
7 Ngokuba lilungisa u-Yehova; utânda imisebenzi yobulungisa;
Otê-tye uya kububona ubuso bakê.

Kumongameli; ngelamadoda *ilizwi*. Umhobe ka-Davide.

12 Sindisa, Yehova, ngokuba upêlile owenceba,
Ngokuba batê-shwaka abanyanisileyo konyana baka-Adam.
2 Batêtâ inkohlakalo omnye nomnye;
Batêtâ ngomlomo ogudileyo, nangentliziyo embâxa.
3 Ngamana u-Yehova angayinqumla yonke imilebe yomlomo ogudileyo,
Ulwimi olutêtâ izinto ezinkulu;
4 Abatê, Ulwimi lwetû siyaluhlupêza;
Umlomo wetû ukuti; ngubanina o-yinkosi kutî?
5 Ngenxa yokubûqwa kwentsizana, ngenxa yokuncwina kwamahlwempu,
Ndiya kusuka ndime ngoku, utsho u-Yehova;
Ndiya kumbeka elusindisweni lowo ululangazelelayo.
6 Amazwi ka-Yehova ngamazwi acocekileyo,
Yi-silvere enyibilikiselwe eziko, yela emhlabeni,
Ehluzwe kasixênxe.
7 Wena, Yehova, uya kubagcina,
Uya kubalondoloza kwesisizukulwana ngonapâkade.
8 Abangendawo bahambâhambâ ngenxa zonke,
Xa kupâkanyiswe abange-ni pâkatî konyana baka-Adam.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

13 Kuninina, Yehova, undilibele kwapêla?
Kuninina ubusitêlisa ubuso bakô kum?
2 Kuninina ndicebacebisana nompêfumlo wam,
Isisinqâla entliziyweni yam imini-le?
Kuninina lundipâkamele utshaba lwam?
3 Bêka undipêndule, Yehova Tîxo wam;
Kânyisa amehlo am, hleze ndilale u-kufa;
4 Hleze utshaba lwam lutî, Ndimeyisile;
Bagcobe abandibandezelayo, xa ndité ndashukunyiswa.
5 Mna ndikôlose ngenceba yakô,
Mayigcobe intliziyo yam ngosindiso lwakô;
Ndiya kuvuma ku-Yehova,
Ngokuba endipêtê kakuhle.

Kumongameli. Eka-Davide.

14 Sitî isidenge entliziyweni yaso. Akukô Tîxo.
Bonakalisile balisikizi ngentlondi zabo;
Akukô wenza okulungileyo.
2 U-Yehova esezulwini uqondele konyana baka-Adam,
Ukubona ukuba ukô-na oqiqayo,
Oquqela ku-Tixo.
3 Bonke batyekile, bayimbôzisa bepêlele;
Akukô wenza okulungileyo,
Akukô nokuba abe mnye.
4 Abanakwazi-na bonke abasebenzi bobutshinga?
Abatî bebadla abantu bam batî badla isonka,
Bangamnquli u-Yehova.
5 Apo bankwantya benkwantyile;
Ngokuba u-Tîxo usesizukulwaneni samalungisa.
6 Iceba losizana ningalidanisa,
Kodwa u-Yehova ulihlatî lalo.
7 Akwaba bekuvela e-Tsiyon ukusindiswa kwama-Siraveli!
Ekubabuyiseni kuka-Yehova abantu bakê ekutînjweni,
Wogcoba u-Yakobi, avuye u-Siraveli.

Digitized by Google

Umhobe ka-Davide.

15 Yehova, ngubanina owopâmbûkela
en-tenteni yakô?
Ngubanina owohlala entabeni yakô
engcwele?
2 Ngohambâ ngokugqibeleleyo, esenza
ubulungisa,
Otêtâ inyaniso ngentliziyo yakê.
3 Ngongahlebiyo ngolwimi lwakê,
Ongamenziyo into embî uwabo,
Ongamngcikiviyo ummelwane wakê,
4 Odelekileyo, ecekiseka kwa wakê a-
mehlo,
Obazukisayo-ke bona abamoyikayo u-
Yehova,
Ofunga, angajiki nokuba kubi kuye,
5 Ongayinikeliyo imali yakê ukuba adle
abantu ngayo,
Onge nakugaqelwa ngaye omsulwa.
Okwenzayo oko akayi kuze ashuku-
nyiswe napâkade.

Eyona iligugu lika-Davide.

16 Ndigcine, Tîxo, ngokuba ndizimela
ngawe.
2 Nditê ku-Yehova, Uyi-Nkosi yam,
Andinanto indilungeleyo ngapêzu
kwakô.
3 Nditê kwabangcwele abasemhlabeni,
Bona bazinânâ apô, kukôna konke
endikunanzîleyo.
4 Ziya kwanda imbulaleko zabo bama-
nanisa ngatîxo wumbî *u-Yehova*.
Andiyi kuyitûlula iminikelo yabo etû-
lulwayo yegazi;
Andiyi kuwapâtâ amagama abo ngo-
mlomo wam.
5 Ngu-Yehova isahlulo endasabelwayo
nendebe endayabelwayo;
Ulenze banzi ilifa lam.
6 Amacandelo andiwele endaweni ezi-
mnandi,
He! ndide ndanelifa elihle.
7 Ndiya kumbonga u-Yehova ondinike
icebo;
Nasebusuku ziyanditêtîsa izintso
zam.
8 Ndimmisile u-Yehova pâmbî kwam
amaxesha onke,
Ngokuba esekunene kum-nje, andiyi
kushukunyiswa.
9 Ngako oko iyavuya intliziyo yam, lu-
yagcoba uzuko lwam;
Nenyama yam iya kuhlala ikôlosile.
10 Ngokuba akuyi kuwushiya umpêfu-
mlo wam kwelabafileyo!
Akuyi kumyekela owakô wenceba u-
kuba abonane nesihogo.
11 Uya kundazisa umendo wobomi;
Kukwanela yimivuyo ebusweni bakô;
Bubumnandi ekunene kwakô ngona-
pâkade.

Umtândazo ka-Davide.

17 Buve, Yehova, ubulungisa; kuba-
zele indlebe ukuhlahlamba kwam;
Wubekele indlebe umtândazo wam,
onge ngamlomo ukohlisayo.
2 Ibango lam malivele ebusweni bakô;
Amehlo akô akângele ngokutê-tye.
3 Uyicikidile intliziyo yam; undivelele
ebusuku;
Undinyibilikisile, akwafumana nto;
Ndiyinqangiyele into embî, ayi ku-
kugqitâ umlomo wam.
4 Malunga nemisebenzi yabantu, nge-
lizwi lomlomo wakô
Mna ndizigcinile andangena kwindle-
la zamanyangaza.
5 Imikôndo yam ibambê indlela zakô,
Azashukuma inyawo zam.
6 Mna ndinqula wena, ngokuba undi-
pêndula, Tîxo;
Nditôbele indlebe yakô, kuve ukutêtâ
kwam.
7 Zibalule inceba zakô, wena wabasi-
ndisayo abazimela ngawe,
Ngesandla sakô sokunene, ngenxa
yabasukela pêzulu kubo.
8 Ndigcine njengeliso, njengokôzo lwa-
lo,
Ndisitêlise ngesitûnzi samapîko akô,
9 Pâmbî kwabangendawo abandibûqa-
yo,
Pâmbî kwentshaba zam ngokwase-
mpêfumlweni ezindingungelayo.
10 Zitê-fiti kutyeba;
Ngomlomo wazo zitêtâ ngeratshi.
11 Zindijikelezile ngoku ekuhambêni
kwam;
Amehlo azo ziwamisele ukundinqu-
mela emhlabeni.
12 Ukufana kwazo kunjengengonyama
enxâmele ukuqwenga,
Kunjengengonyama entsha ihleli e-
ntsitêlweni.
13 Kâusuk'ume, Yehova,
Uyihlangabeze, uyiwise yona;

Digitized by Google

Wusindise umpêfumlo wam kongendawo ngefele lakô,
14 Kubafo ngesandla sakô, Yehova,
Kubafo belipâkade, abasahlulo sikobubomi;
Osizalisileyo isisu sabo ngengqwebo zakô,
Bakôlisile ngonyana,
Ukupûpûma kwabo bakushiya nentsapô yabo.
15 Mna ndiya kububona ubuso bakô ndisebulungiseni;
Ndiya kwaneliswa sitômo sakô ekuvukeni kwam.

Kumongameli. Evómkonzi ka-Yehova. Eka-Davide, owawatetayo ku-Yehova amazwi alengoma, mhlonikweni u-Yehova wandihanguluyo esandleni sentshaba zake zonke, nasesandleni sika-Saule, wati,

18 Ndikutânda ngembîlini yam, Yehova, lomelelo lwam.
2 Yehova, ngxondoŕa yam, mbôniselo yam, msindisi wam,
Tixo wam, liwa lam endizimela ngalo,
Ngweletshetshe yam, lupôndo losindiso lwam, ngxonde yam!
3 Ndinqula u-Yehova ongowokudunyiswa,
Ndiyasindiswa ezintshabeni zam.
4 Izintya zokufa zandijikela;
Imilambô yobutshijolo yandidandatêkisa.
5 Izintya zelabafileyo zandibijela;
Izifintyelo zokufa zabetâ kum.
6 Ekubandezelekeni kwam ndanqula u-Yehova,
Ndazibika ku-Tixo wam:
Waliva e-tempileni yakê izwi lam,
Ukuzibika kwam kwafika pâmbî kwakê ezindlebeni zakê.
7 Wahexa-ke wanyikima umhlaba,
Iziseko zentaba zagungqa,
Zahexa, ngokuba enomsindo.
8 Kwatî-tâpu umsi ematâtêni akê,
Wadla umlilo upûma emlonyeni wakê.
Kwavutâ amalahle epûma kuwo.
9 Wawatôba amazulu, wehla;
Yangamafu amnyama pântsi kwenyawo zakê.
10 Wakŵela e-kerubini, wapâpâzela,
We-tshwebelele ngamapîko omoya.
11 Wamisa ubumnyama balisitê lakê, umnquba wakê ngenxa zonke kuve;
Ubumnyama bamanzi, ingqimbâ zamafu.
12 Ekukânyeni okupâmbî kwakê kwatŷoboza emafini akê
Isipângo samatye namalahle omlilo.
13 Wadudumisa emazulwini u-Yehova,
Opezu konke walikûpâ izwi lakê.
Yasipângo samatye namalahle omlilo.
14 Watûma intolo zakê, wabapângalalisa;
Yamininzi imibane, wabadubaduba.
15 Imipântsi yamanzi yabonakala,
Kwatŷileka iziseko zelimiweyo
Ngokukâlima kwakô, Yehova,
Ngokufutâ komoya womsindo wakô.
16 Wolula isandla epêzulu, wandibambâ,
Wandifola emanzini amaninzi.
17 Wandihlangula elutshabeni lwam olunamandla,
Kwabanditŷiyileyo, ngokuba bebomelele kunam.
18 Bandifikela ngemini yokusindeka kwam,
U-Yehova wandixâsa.
19 Wandikûpêla endaweni ebanzi,
Wandihlangula, ngokuba enditândile.
20 U-Yehova wandipâtâ kakuhle ngokobulungisa bam,
Wandibuyisela ngokobunyulu bezandla zam.
21 Ngokuba ndazigcina indlela zika-Yehova,
Andemka ngokungendawo ku-Tixo wam.
22 Ngokuba onke amasiko akê apâmbî kwam,
Nemimiselo yakê andiyisusi kum;
23 Ndandingogqibeleleyo kuye,
Ndazigcina andaba nabugwenxa.
24 Wandibuyisela-ke u-Yehova ngokobulungisa bam,
Ngokobunyulu bezandla zam pâmbî kwamehlo akê.
25 Kowenceba uzenza owenceba,
Kwigoŕa eligqibeleleyo uzenza ogqibeleleyo,
26 Kozenze nyulu uzenza onyulu,
Kojibilizayo uzenza onobuqokolo.
27 Ngokuba wena abantu ababandezelekileyo uyabasindisa,
Uwatôbe amehlo aqwayimgileyo.
28 Ngokuba uyasilumeka isibane sam wena;
U-Yehova u-Tixo wam uyabukânyisela ubumnyama bam.
29 Ngokuba ngawe ndigila amajaŕa,

Digitized by Google

Ngo-Tixo wam ndiqabela ezindongeni.
30 U-Tixo yena—igqibelele indlela yakê,
Ilizwi lika-Yehova linyibilikisiwe,
Uyingweletshetshe kubo bonke abazimela ngaye.
31 Ngokuba ngubanina ongu-Tixo, inge nguye u-Yehova?
Ngubanina oliliwa inge ngu-Tixo wetu?
32 Ulo-Tixo undibinqise uburoti,
Uyigqibelelisileyo indlela yam,
33 Uzifanisayo inyawo zam nezamaxâmakazi,
Undimisayo emimangweni yam.
34 Uzifundisayo ukulwa izandla zam,
Zityede isapêtâ sobêdu ingalo zam.
35 Undinikileyo ingweletshetshe yosindiso lwakô;
Sandixâsa isandla sakô sokunene;
Ululamo lwakô lwandikûlisa.
36 Wawenzela indawo ebanzi amanyatêla am pântsi kwam,
Amaxwele am akahexa.
37 Ndazisukela intshaba zam, ndazifumana;
Andabuya zada zapêla.
38 Ndaziqôba; azabi nakuvuka,
Zawa pantsi kwenyawo zam.
39 Wandibinqisa uburoti ekulweni;
Wabaguqisa pântsi kwam abasukela pêzulu kum;
40 Wandinika ikôsi lentshaba zam,
Abanditiyayo ndababângisa.
41 Bazibika, akwabikô msindisi;
Bazibika ku-Yehova, akabapêndula.
42 Ndabacola banjengotûli pâmbi komoya,
Ndabapâlaza njengodaka lwezi-trate.
43 Wandisiza ekubambâneni kwabantu;
Wandimisa ndayintloko yentlanga;
Abantu ebendingabazi bandikônza.
44 Besave ngendlebe, banditôbela,
Onyana bolunye uhlanga bahanahanisa kum.
45 Onyana bolunye uhlanga bantshwenya,
Bapûma bengcangcazela ekuvingcelweni kwabo.
46 U-Yehova uhleli; lelokubongwa iliwa lam,
Apâkanyiswe u-Tixo ondisindisayo.
47 Ulo-Tixo wandinika impindezelo,
Uzikândaniselayo pântsi kwam izizwe;
48 Undisiza ezintshabeni zam;
Ewe, wena undipâkamisayo kwabasukela pêzulu kum,
Undihlangule kumfo ogonyamelayo.
49 Ngenxa yoko ndiya kubulela kuwe, Yehova, pâkati kwentlanga,
Ndivume kwigama lakô.
50 Ulokûlisa intsindiso zokumkani wake;
Wenzayo inceba kumtânjiswa wakê,
Ku-Davide nakwimbêwu yakê kude kuse epâkadeni.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

19 Amazulu abalisa uzuko luka-Tixo,
Saye isibâkabâka sixela umsebenzi wezandla zakê.
2 Imini impompozelela imini intetô,
Ubusuku buxelela ubusuku ukwazi.
3 Akukô ntetô, akukô mazwi,
Apô singavakaliyo isandi sawo.
4 Intambô yawo yokulinganisa ipûme yaya emhlabeni wonke,
Kwaba sezipêlweni zelimiweyo ukukuluma kwawo.
Ilanga ulimisele in-tente kuwo,
5 Lona linjengomyeni-ke epûma egumbini lakê,
Linemihlali njengegofa ukugidima ngomendo walo.
6 Kusesipêlweni sezulu ukupûma kwalo,
Ukujikeleza kwalo kusa ezipêlweni zalo,
Akukô nto inokusitêla ebushushwini balo.

7 Umyalelo ka-Yehova ugqibelele, ubuyisa umpêfumlo;
Isinqino sika-Yehova sinyanisekile, sinika isiyatâ ubulumko.
8 Izimiselo zika-Yehova zitê-tye, zivuyisa intliziyo;
Umtêtô ka-Yehova unyulu, ukânyisela amehlo.
9 Ukoyika u-Yehova kucocekile, kumi ngonapâkade;
Izigwebo zika-Yehova ziyinyaniso, zibulungisa kwapêla.
10 Zinokunqweneleka kune-golide zona, nakunengewengiweyo eninzi,
Zimnandi kunobusi nencindi yobusi.
11 Zikwamkânyisela umkônzi wakô;
Ekuzigcineni mkulu umvuzo.
12 Ukulahleka ngubanina okungendayo?

Digitized by Google

Ndenze msulwa kokusitêleyo.
13 Kwa nasekukûkumaleni mnqande umkônzi wakô;
Makungandilauli; ukuze ndandule ukuba ngogqibeleleyo,
Ndibe msulwa ekuŕeqeni okukûlu.
14 Makakôleke amazwi omlomo wam, nezicamango zentliziyo yam,
Pâmbî kwakô, Yehova, liwa lam, mkûluli wam.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

20 Ngamana wakupêndula u-Yehova ngemini yembândezelo,
Ngamana lakusa engxondeni igama lika-Tîxo ka-Yakobi!
2 Wakutûmela uncedo lwasengcweleni,
Wakuxâsa ese-Tsiyon!
3 Wayikûmbûla yonke iminikelo yakô yokudla,
Wawafumana etyebile amadini akô anyukayo; (Pâkamisani.)
4 Wakunika ngokwentliziyo yakô,
Walizalisa lonke icebo lakô.
5 Singamemelela ngosindiso lwakô;
Sipâkamise i banile zetû ngegama lo-Tîxo wetû;
Azizalise u-Yehova zonke izicelo zakô.
6 Ndiyazi ngoku ukuba u-Yehova ngumsindisi womtânjiswa wakê;
Uya kumpêndula ezulwini lakê elingcwele
Ngobugoŕa obusindisayo besandla sakê sokunene.
7 Abanye bakânkanya inqwelo zokulwa, abanye bakânkanye amahashe,
Ke tîna sikânkanya igama lika-Yehova u-Tixo wetû.
8 Bona baguqile bawa;
Tîna sipâkamile sema.
9 Yehova, sindisa:
Ukumkani sipêndule ngemini yokubiza kwetû.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

21 Yehova, uvuyile ngamandla akô ukumkani,
Asikuko nokuba uyagcoba ngosindiso lwakô!
2 Umnike umnqweno wentliziyo yakê,
Akwasilandula isicelo somlomo wakê. (Pâkamisani.)
3 Ngokuba umkâulela ngentsikelelo zokulungileyo,
Umtŵesa isitsaba se-golide engcwengekileyo.
4 Wacela ubomi kuwe, wampâ,
Wamnika imihla emide ngonapâkade kanapâkade.
5 Lukûlu uzuko lwakê ngosindiso lwakô,
Ubeka pêzu kwakê indili nobungangamela.
6 Ngokuba umenze intsikelelo ngonapâkade,
Umvuyisa ngovuyo ebusweni bakô.
7 Ngokuba ukumkani ukôlose ngo-Yehova,
Ngenceba y-Osenyangweni akayi kushukunyiswa.
8 Isandla sakô siya kuzifumana zonke intshaba zakô,
Esokunene sakô siya kubafumana abakutîyayo.
9 Uya kubenza babe njengeziko lomlilo, wakubonakala.
U-Yehova uya kubaginya ngomsindo wakê,
Nomlilo ubadle.
10 Uya kusitshabalalisa isiqâmo sabo emhlabeni,
Imbêwu yabo konyana baka-Adam.
11 Nokuba bakutôbela ububi,
Bacinga iyelenqe, abayikufeza nto.
12 Ngokuba uya kubenza bakunikele umhlana;
Ngesapêtâ sakô uya kuxuna intolo zakô ebusweni babo.
13 Pâkama, Yehova, ngamandla akô;
Siya kuvuma, sibetê uhadi ngobugoŕa bakô.

Kumongameli; ngeyelexama lesifingo. Umhobe ka-Davide.

22 Tixo wam, Tîxo wam, undilahlelenina?
Ukude nganina ekusindisweni kwam nasemazwini okubonga kwam?
2 Tixo wam, ndiyabiza emini, ungapêndule;
Nasebusuku ndiyabiza, anditôzanyiswa noko.
3 Ungcwele-ke wena,
Ungulohlala ezindumisweni zakwa-Sirayeli.
4 Obawo bakôlosa ngawe,
Bakôlosa, wabasiza;
5 Bakâla kuwe, basinda;
Bakôlosa ngawe, abadana.

Digitized by Google

6 Ke mna ndingumbungu, andimntu;
Ndisingcikivo soluntu, iñto edelekileyo ebantwini.
7 Bonke abandibonayo bayandigculela;
Bayasineka, bahlunguzela intloko,
8 Batĭ, Makazilahlele ku-Yehova, amsize,
Amhlangule kaloku, ngokuba emtândile.
9 Ewe nguwe umtŷobozisi wam esizalweni;
Inkôlosisi yam ndisemabeleni kamá.
10 Ndalahlelwa kuwe kwasesizalweni;
Kwasembilinini kamá ubungu-Tixo wam.
11 Mus'ukuba kude nam, ngokuba isondele imbândezelo,
Ngokuba akukô mncedi.
12 Ndingqongwe zinkunzi ezininzi,
Ndihlanganyelwe zezizimbâlasane zase-Bashan.
13 Zindakâmele umlomo wazo,
Njengengonyama eqwengayo egqumayo.
14 Ndipâlele njengamanzi,
Ahlukene onke amatâmbô am;
Yanjengomtwebeba intliziyo yam,
Inyibilikile pâkatĭ kwezibilini zam.
15 Omile njengegopê amandla am,
Ulwimi lwam lunamatêle emakûhlangubeni am;
Undibeka elutûlini lokufa.
16 Ngokuba izinja zindifaule,
Ibandla labenzi bokubi lindingungele,
Bagqoboza izandla zam nenyawo zam.
17 Ndinokuwabala onke amatâmbô am,
Bona bandijonga, bandibonela.
18 Babelana ngengubo zam,
Isambâtô sam basenzela amaqashiso.
19 Ke wena, Yehova, mus' ukuba kude;
Mandla am, kâuleza undincede.
20 Wuhlangule erĕleni umpêfumlo wam,
Okupêla kwawo etûpeni lenja.
21 Ndisindise emlonyeni wengonyama,
Nasezimpondweni zenqu uya kundipêndula.

22 Ndiya kulazisa igama lakô kubazalwana bam,
Ndikudumise pâkatĭ kwebandla, nditĭ,
23 Nina nimoyikayo u-Yehova, mdumiseni;
Nonke mbêwu ka-Yakobi, mzukiseni,
Nimhlonele nina, mbêwu yonke ka-Sirayeli.
24 Kuba azidelekanga azibanga nazotê kuye intsizi zolusizana.
Akabusitêlisanga ubuso bakê kuye;
Ekuzibikeni kwakê kuye wapûlapûla.
25 Ivela kuwe indumiso yam ebandleni elikûlu;
Nezibâmbâtĭso zam ndiya kuzizalisa pâmbĭ kwabamoyikayo.
26 Baya kudla abalulamileyo bahlutê;
Baya kudumisa u-Yehova abamnxâmelayo.
Ngamana yapĭla intliziyo yenu ngonapâkade!
27 Ziya kukûmbûla zibuyele ku-Yehova zonke izipêlo zomhlaba,
Iqubude pâmbĭ kwakê yonke imizalwane yentlanga:
28 Ngokuba bobuka-Yehova ubukumkani,
Nguye umlauli ezintlangeni.
29 Baya kudla, baqubude bonke abatyebileyo bomhlaba;
Baya kuguqa pâmbĭ kwakê bonke abatshona elutûlini,
Abangawugciniyo umpêfumlo wabo.
30 Imbêwu iya kumkônza;
Kuya kubaliselwa isizukulwana ngayo i-Nkosi.
31 Baya kuza baxele ubulungisa bayo
Kubantu abaza kuzalwa, ukuba oko ukwenzile.

Umhobe ka-Davide.

23 U-Yehova ngumalûsi wam, andisweli luto.
2 Wenz'ukuba mandibutê emaĭiwen' aluhlaza;
Unditûndezela emanzini angawokupûmla.
3 Uyawubuyisa umpêfumlo wam;
Undikâpêla ezindleleni zobulungisa ngenxa yegama lakê.
4 Nokuba ndihambâ emfuleni wetûnzi lokufa,
Andikoyika bubi, ngokuba unam wena;
Intonga yakô, umsimelelo wakô—uyanditûtûzela.
5 Undilungisela isitêbe pâmbĭ kwababandezeli bam,
Uyitâmbĭsa nge-oli intloko yam,
Indebe yam iyapâlala.

Digitized by Google

6 Inene, ndiya kulandelwa kokulungileyo nenceba
Yonke imihla yobomi bam;
Ndihlale endlwini ka-Yehova
Imihla emide.

Umhobe ka-Davide.

24 Ngoka-Yehova umhlaba nenzaliseko yawo,
Elimiweyo nabahleli kulo;
2 Ngokuba yena wawuseka pezu kwelwandle,
Wawuzinzisa pezu kwemilambo.
3 Ngubanina onokunyuka aye entabeni ka-Yehova?
Ngubanina onokuma endaweni yakè engcwele?
4 Ngozandla zimsulwa, ontliziyo inyulu,
Ongawupakâmiseli kwinkohlakalo umpefumlo wakè,
Ongafungiyo ngenkohliso.
5 Uya kwamkela intsikelelo ku-Yehova,
Nobulungisa ku-Tixo ongumsindisi wakè.
6 Siso eso isizukulwana sabamnxâmeleyo,
Sababufunayo ubuso bakò, Tixo ka-Yakobi. (Pâkamisani.)

7 Pâkamisani intloko zenu, masango;
Nizipâkamise, minyango yapâkade,
Angene u-Kumkani wozuko.
8 Ngubanina-ke lo-Kumkani wozuko?
Ngu-Yehova onamandla, oligofa,
Ngu-Yehova igofa emfazweni.
9 Pâkamisani intloko zenu, masango,
Nizipâkamise, minyango yapâkade,
Angene lo-Kumkani wozuko.
10 Ngubanina-ke yena u-Kumkani wozuko?
Ngu-Yehova wemikosi,
Nguye lo-Kumkani wozuko.
(Pâkamisani.)

Eka-Davide.

25 Ndiwupâkamisela kuwe, Yehova, umpefumlo wam.
2 Tixo wam, ndikôlose ngawe,
Mandingadani;
Mazingandivuyeleli intshaba zam.
3 Ewe, bonke abo bakutembâyo abayi kudana;
Kuya kudana abo banginiza ngelizè.
4 Ndazise indlela zakò, Yehova,
Ndifundise umendo wakò.
5 Ndinyatèlise enyanisweni yakò, undifundise;
Ngokuba ungu-Tixo ongumsindisi wam;
Nditembè wena yonke imihla.
6 Kûmbûla imfesane zakò, Yehova, nenceba zakò;
Ngokuba kususela kwapâkade zikò.
7 Mus' ukuzikûmbûla izono zobutsha bam noreqo lwam;
Ndikûmbûle ngokwenceba yakò wena,
Ngenxa yokulunga kwakò, Yehova.
8 Ulungile, utè-tye u-Yehova;
Ngenxa yoko uyabayalela indlela aboni.
9 Uyabanyatèlisa abalulamileyo emasikweni akè,
Abafundise abalulamileyo indlela yakè.
10 Zonke indlela zika-Yehova ziyinceba nenyaniso
Kwabagcina umnqopiso wakè nezinqino zakè.
11 Ngenxa yegama lakò, Yehova, xolela ubugwenxa bam,
Ngokuba bukûlu bona.
12 Ngubanina-ke umntu omoyikayo u-Yehova?
Womyalela indlela aya kuyinyula.
13 Umpefumlo wakè wohlala wonwabile,
Imbewu yakè ilidle ilifa ilizwe.
14 Ukucweya kuka-Yehova kunabamoyikayo;
Ubazisa umnqopiso wakè.
15 Amehlo am ahlala emi ku-Yehova,
Ngokuba nguye oziholayo elutânjeni inyawo zam.
16 Ndibèke undibabale,
Ngokuba ndindodwa ndibandezelekile.
17 Imbândezelo zentliziyo yam zipângalalisiwe;
Ndikûpè ekucutèkeni kwam.
18 Kângela ukucinezeleka kwam nokwapûka kwam,
Uxolele zonke izono zam.
19 Zikângele intshaba zam, ngokuba zininzi,
Zinditiye ngentiyo egonyamelayo.
20 Wugcine umpefumlo wam, undihlangule;

Digitized by Google

Mandingadani, ngokuba ndizimela ngawe.
21 Ukugqibelela nokutí-tye makundilondoloze,
Ngokuba nditêmbêle kuwe.
22 Kúlula u-Sirayeli, Tíxo,
Embândezelweni zakê zonke.

Eka-Davide.

26 Litêtê ityala lam, Yehova, ngokuba mna ndihambê engqibelelweni yam;
Ndakôlosa ngo-Yehova, andahexa.
2 Ndicikide, Yehova, undilinge;
Nyibilikisa izintso zam nentliziyo yam.
3 Ngokuba inceba yakô ipâmbí kwamehlo am,
Ndihambâ enyanisweni yakô.
4 Andihlali namadoda akohlakeleyo,
Andihambí nabanywâlazi.
5 Ndilitíyile ibandla labenzi bobubi,
Andihlali nabangendawo.
6 Ndizihlambâ kokumsulwa izandla zam,
Ndisipâhle isibingelelo sakô, Yehova,
7 Ukuba ndivakalise izwi lokubulela,
Ndibalise ngayo yonke imisebenzi yakô ebalulekileyo.
8 Yehova, ndiyalitânda ikâya eliyindlu yakô,
Nendawo yokuhlala kozuko lwakô.
9 Mus' ukuwubutêla umpêfumlo wam ndawo-nye naboni.
Ubomi bam ndawo-nye namadoda anamagazi;
10 Wona azandla zinamanyala,
Wona ezokunene zawo zizeleyo zicengo.
11 Mna-kê okwam ndihambâ engqibelelweni yam;
Ndikûlule, undibabale.
12 Unyawo lwam lumi endaweni ebanzi;
Ndimbonga u-Yehova ndisemabandleni.

Eka-Davide.

27 Ngu-Yehova umkânyiseli wam nomsindisi wam, ndiya koyika banina?
Ngu-Yehova inqaba yobomi bam, ndiya kunkwantya ngabanina?
2 Bakusondela kum abenzi bobubi ukuba badle invama yam,
Bakuza ababandezeli bam nentshaba zam kum: bakûbeka bawa bona.
3 Bendingafanelana ndifaulwe ngumkôsi, isuke ingoyiki intliziyo yam;
Bendingafanelana ndipâkanyelwe yimfazwe, ndisuke nditêmbê noko.
4 Ndicele nto nye ku-Yehova, ndifuna yona:
Ukuba ndihlale endlwini ka-Yehova yonke imihla yobomi bam,
Ndibone ubuhle buka-Yehova, ndipícotê e-tempileni yakê.
5 Ngokuba undigusha emnqubeni wakê ngemini yobubi,
Undisitêlisa esitêni len-tente yakê,
Undimisa eweni.
6 Ngoku-ke iya kupâkama intloko yam pêzu kwentshaba zam ezindijikelezayo,
Ndibingelele en-tenteni yakê imibingelelo yokuduma,
Ndivume, ndibetê uhadi ku-Yehova.
7 Yiva, Yehova, ndakubiza ngezwi lam;
Ndibabale, ndipêndule.
8 Intliziyo yam itî kuwe, kweli utí, Funani ubuso bam,
Ubuso bakô, Yehova, ndiya kubufuna.
9 Mus' ukubusitêlisa ubuso bakô kum;
Mus' ukumgila umkônzi wakô ngomsindo;
Uluncedo lwam, mus' ukundilahla;
Mus' ukundishiya, Tíxo ondisindisayo.
10 Ngokuba ubawo nomá bandishiyile,
Wesuka u-Yehova wandicôla.
11 Ndiyalele, Yehova, indlela yakô,
Ndikâpê emendweni otê-tye, nganxa yabandilalelayo.
12 Mus' ukundinikela elitêni labandibandezelayo,
Ngokuba ndipâkanyelwe nganamanqína axokayo, nabafutâ ukugonyamela.
13 Ngendipêlelwe, koko bendikôlwa kukuba ndokubona ukulunga kuka-Yehova
Ezweni lobubomi.
14 Têmbêla ku-Yehova;
Yomelela, ikâlipe intliziyo yakô,
Utêmbêle ku-Yehova.

Eka-Davide.

28 Ndidanduluka kuwe, Yehova;
Liwa lam, mus' ukuzenza isitûlu,
Hleze wakutí-cwaka kum,

Digitized by Google

Ndifane nabahla baye emhadini.
2 Yiva izwi lokukúnga kwam ekuzibikeni kwam kuwe,
Ekuzipâkamiseleni kwam izandla zam endaweni engcwele yezihlabo zakô.
3 Mus' ukundiqweqwedisa nabangendawo,
Nabenzi bobutshinga,
Abatêtâ uxolo kowabo,
Benobubi ezintliziyweni zabo.
4 Banike ngokwemisebenzi yabo, ngokobubi bentlondi zabo;
Banike ngokwezenzo zezandla zabo;
Babuyisele ngokwempâtô yabo.
5 Ngokuba abayiqondi imisebenzi ka-Yehova,
Nezenzo zezandla zakê,
Uya kubagungxula, angabakî.

6 Makabongwe u-Yehova,
Kuba elivile ilizwi lokukúnga kwam.
7 Ngu-Yehova amandla am nengwele-tshetshe yam;
Yakôlosa ngaye intliziyo yam, ndancedeka.
Iyadlamka-ke intliziyo yam;
Ndimdumise ngengoma yam.
8 U-Yehova ungamandla kubo.
Uligwiba losindiso kumtânjiswa wakê yena.
9 Sindisa abantu bakô,
Usikelele ilifa lakô,
Ubalûse ubatŵale kude kuse epâkadeni.

Umhobe ka-Davide.

29 Mnikeni u-Yehova, nina nyana baka-Tîxo,
Mnikeni u-Yehova uzuko namandla.
2 Mnikeni u-Yehova uzuko lwegama lakê;
Qubudani ku-Yehova nivetê ezingcwele.

3 Izwi lika-Yehova lipêzu kwamanzi;
U-Tîxo wozuko uyadudumisa,
Kwa u-Yehova pêzu kwamanzi amaninzi.
4 Izwi lika-Yehova linamandla,
Izwi lika-Yehova linobungangamela.
5 Izwi lika-Yehova lapûla imi-sedare.
U-Yehova wapûla imi-sedare yase-Lebanon.
6 Uyidlobisa njengenkonyana,
I-Lebanon ne-Siriyon njengetôle lenqu.
7 Izwi lika-Yehova lilenyisa okwamalangatye omilo,
8 Izwi lika-Yehova liyenza isaqŵiti intlango,
U-Yehova uyenza isaqŵiti intlango yase-Kadeshe.
9 Izwi lika-Yehova lizûzisa amaxâmakazi,
Lihlube amahlatî;
E-tempileni yakê into yonke ipêla itî, Luzuko!

10 U-Yehova wahlala kunogumbê;
U-Yehova uhleli engu-Kumkani ngonapâkade.
11 U-Yehova uya kubanika abantu bakê amandla;
U-Yehova uya kubasikelela abantu bakê ngoxolo.

Umhobe; ingoma yokusungulwa kwayo indlu. Eka-Davide.

30 Ndiya kukupâkamisa, Yehova, kuba undifolile wandinyusa.
Akwazivuyisa intshaba zam ngam.
2 Yehova, Tîxo wam,
Ndazibika kuwe, wandipîlisa;
3 Yehova, uwunyusile kwelabafileyo umpêfumlo wam,
Wandidlisa ubomi, ukuba ndingehli ndiye emhadini.
4 Mbetêleni uhadi u-Yehova, nina bakê benceba,
Nibulele isikûmbûzo sakê esingcwele.
5 Ngokuba yinto yepânyazo umsindo wakê,
Itafu lakê liyinto yobomi;
Ngokuhlwa kulalisa ukulila,
Kusasa kubakô ukumemelela.
6 Ke mna ndatî ebunqobeni bam,
Andiyi kushukunyiswa napâkade.
7 Yehova, enkolosekweni yakô ubuyiqinisile intaba yam;
Ubusitêlisile ubuso bakô, ndakŵanqiswa.
8 Ndadanduluka kuwe, Yehova,
Ndakunga ku-Yehova:
9 Ndati, Kukô nzuzo yanina egazini lam ekuhleni kwam ndiye esihogweni?
Lokudumisa-na utûli? loyixela-na inyaniso yakô?

Digitized by Google

10 Yiva, Yehova, undibabale;
Yehova, yiba ngumncedi wam.
11 Wakuguqula ukulila kwam kwaba kukuqambâ;
Wandikûlula ezifwexayo, wandibînqisa uvuyo,
12 Ukuze uzuko lwam luvume ngawe, lungatî-cwaka.
Yehova, Tîxo wam, ndiya kubulela kuwe ngonapâkade.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

31 Ndizimela ngawe, Yehova, mandingaze ndidaniswe;
Ndisize ngobulungisa bakô.
2 Nditôbele indlebe yakô, unxâme undihlangule;
Yiba liliwa eliligwiba kum,
Indlu yembôniselo yokundisindisa.
3 Ngokuba ingxondoła yam nembôniselo yam nguwe;
Ngenxa yegama lakô uya kundikâpâ unditûndeze.
4 Uya kundirôla esibatêni abebesigqumele mna,
Ngokuba uyinqaba yam.
5 Ndiwuyaleza umoya wam esandleni sakô;
Uyandikûlula, Yehova, Tîxo wenyaniso.
6 Ndibatîyile abagcine amampunge angento yanto.
Ndikôlose ngo-Yehova mna.
7 Ndiya kugcoba ndivuye ngenceba yakô,
Ngenx' enokuba uzibonile intsizi zam,
Wazazi ingxingongo zompêfumlo wam.
8 Akwandivingcela ngesandla sentshaba,
Wazimisa endaweni ebanzi inyawo zam.
9 Ndibabale, Yehova, ngokuba ndibandezelekile;
Lonakele kukâtâzeka iliso lam nompêfumlo wam nesisu sam.
10 Ngokuba bupêlile sinqâla ubomi bam,
Neminyaka yam kuncwina;
Ayagexa amandla am ngobugwenxa bam,
Namatâmbô am alupêle.
11 Ngenxa yabababandezeli bam bonke ndaba singcikivo,
Ngokukodwa kubamelwane bam; ndaba yinto yokunkwantyisa kwabandaziyo;
Abandibonayo ngapândle bayandibaleka.
12 Ndilityelwe njengomfi ongasakûnjulwayo;
Ndinjengesitya esiza kulahlwa.
13 Ngokuba ndive intlebendwane yabaninzi,
Ukunxungupâla ngenxa zonke.
Ekugquguleni kwabo ngam,
Banqangiyela ukutâbatâ umpêfumlo wam.
14 Ke mna—ndikôlose ngawe, Yehova;
Nditî, Ungu-Tîxo wam wena.
15 Asesandleni sakô amaxesha am;
Ndihlangule esandleni sentshaba zam nakwabandisukelayo.
16 Kânyisa ubuso bakô pêzu komkônzi wakô;
Ndisindise ngenceba yakô.
17 Yehova, andiyi kudana, ngokuba ndinqula wena;
Makudane abangendawo batî-cwaka kwelabafileyo,
18 Mawubotshwe umlomo wobuxoki,
Otêtâ ngelungisa ngokusa,
Uneratshi, udela.
19 Hayi ubukûlu bokulunga kwakô, obuqwebele abakoyikayo,
Obenzela abazimela ngawe, ebusweni bonyana baka-Adam!
20 Ubasitêlisa esitêni lobuso bakô kumayelenqe abantu;
Uyabagusha emnqubeni ekubambâneni kwelwimi.
21 Makabongwe u-Yehova,
Ngokuba endenzele inceba ebalulekileyo emzini onqabileyo.
22 Ke mna ndatî ekupâkuzeleni kwam,
Ndinqanyulwe andabikô emehlweni akô.
Waliva noko izwi lokukûnga kwam ekuzibikeni kwam kuwe.
23 Tândani u-Yehova, nonke nina bakê benceba;
Ngu-Yehova umlondolozi wabanyanisileyo,
Umpîndezeli ngokukûlu kowenza ngeratshi.
24 Yomelelani ikâlipe intliziyo yenu,
Nonke nina nitêmbêle ku-Yehova.

Digitized by Google

Eka-Davide. Eyokuqiqa.

32 Hayi uyolo lwakê olufeqo luxolelweyo, osono siselelweyo!
2 Hayi uyolo lomntu, angabubaleliyo u-Yehova kuye ubugwenxa,
Ekungekô kukôhlisa emoyeni wakê!
3 Nditi ndakuti-cwaka, alupâle amatâmbô am
Ngokubônga kwam imihla yonke.
4 Ngokuba imini nobusuku besinzima pezu kwam isandla sakô,
Baguquka ubumanzi bam baba kubalela kwasehlotyeni. (Pâkamisani.)
5 Ndikwazisile isono sam, ubugwenxa bam andabugquma;
Ndati, Ndoluvuma ufeqo lwam ku-Yehova;
Wabuxolela-ke wena ubugwenxa besono sam. (Pâkamisani.)
6 Ngenxa yoko mabatândaze kuwe bonke abenceba ngexesha lokukufumana;
Inene, ekukûkuleni kwamanzi amaninzi
Akayi kufika kubo.
7 Wena uyindawo yokuzimela kwam, uyandilondoloza embândezelweni;
Undingqonga ngomemelelo lokusiza. (Pâkamisani.)
8 Ndiya kukuqiqisa ndikuyalele indlela owohambâ ngayo:
Ndiya kucebisa, iliso lam likuwe.
9 Musan' ukuba njengamahashe, njengondlebende ukungabi nangqondo,
Abazivatô zingumkâla, nentambô zokubabopâ umlomo,
Bengenazo abasayi kusondela kuwe.
10 Zininzi intlungu zongendawo;
Ke okôlosa ngo-Yehova, yena uya kumjikela ngenceba.
11 Vuyani ku-Yehova, nigcobe, nina malungisa,
Nimemelele, nina nonke bantliziyo zitê-tye.

33 Memelelani ku-Yehova, nina malungisa;
Ibafanele abatê-tye indumiso.
2 Bulelani ku-Yehova ngohadi,
Mbeteleni umfubê ontambô zilishumi.
3 Mvumeleni ingoma entsha,
Nilungise ukubetâ ngelokuduma:
4 Ngokuba litê-tye ilizwi lika-Yehova,
Konke akwenzayo kutêmbekile.
5 Ngumtândi wobulungisa nokusesikweni,
Uzele umhlaba yinceba ka-Yehova.
6 Enzeka ngelizwi lika-Yehova amazulu,
Umkôsi wawo wonke ngomoya womlomo wakê.
7 Ulobutâ njengemfumbâ amanzi olwandle,
Ulobeka kovimbâ amanzi enzonzobila.
8 Mawumoyike u-Yehova wonke umhlaba;
Bamhlonele bonke abemi belimiweyo:
9 Ngokuba watêtâ, kwabakô;
Wawisa umtêtô yena, kwema.
10 U-Yehova ulitshitshisile icebo lentlanga;
Uzalele ingcinga zezizwe.
11 Icebo lika-Yehova limi ngonapâkade,
Ingcinga zentliziyo yakê kwizizukulwana ngezizukulwana.
12 Hayi uyolo lohlanga olu-Tixo walo ungu-Yehova;
Lwabantu abanyulileyo, baba lilifa kuye.
13 Uqondele esezulwini u-Yehova;
Uyababona bonke onyana baka-Adam;
14 Esendaweni yakê yokuhlala wondele
Kubemi bonke bomhlaba:
15 Ulobûmbâ ngakunye intliziyo yabo,
Uloqonda zonke izenzo zabo.
16 Akukô kumkani osindiswa yimpi enkulu;
Igofa alihlangulwa ngamandla alo amakûlu.
17 Liyaxoka ihashe ukuba lingasindisa,
Nangamandla alo amakûlu alinakusiza.
18 Yabona; iliso lika-Yehova likubo abamoyikayo,
Abalindele inceba yakê,
19 Ukuba awuhlangule ekufeni umpêfumlo wabo,
Abageine ngexesha lendlala.
20 Umpêfumlo wetû ulindele ku-Yehova;
Nguye uncedo lwetû nengweletshetshe yetû.
21 Ngokuba iya kuvuya ngaye intliziyo yetû,

Digitized by Google

Ngokuba sikôlose ngegama lakê elingcwele.
22 Inceba yakô mayibe pêzu kwetû, Yehova,
Njengoko sikulindeleyo kuwe.

Eka-Davide; oko wazenza epâmbêne ingqondo pâmbi ko-Abimeleki, wasâ yena wamgxotâ, wahamba.

34 Ndiya kumbonga u-Yehova ngamaxesha onke;
Ihlale isemlonyeni wam indumiso yakê.
2 Uya kuqâyisa umpêfumlo wam ngo-Yehova;
Bova abalulamileyo bavuye.
3 Mkûliseni nam u-Yehova,
Silipâkamise kunye igama lakê.
4 Ndamfuna u-Yehova, wandipêndula,
Wandihlangula kwinto zonke endinxungupâla zizo.
5 Babêka kuye, bakâzimla;
Ubuso babo ababa nazintloni.
6 Usizana lwadanduluka, weva u-Yehova,
Walusindisa ezimbândezelweni zalo zonke.
7 Isitûnywa sika-Yehova sibangqinga ngenxa zonke abamoyikayo,
Sibahlangule.
8 Yivani, nibone ukuba ulungile u-Yehova.
Hayi uyolo lomfo ozimela ngaye.
9 Moyikeni u-Yehova, nina bangcwele bakê;
Ngokuba abanakuswela abamoyikayo.
10 Ingonyama ezintsha ziyaswela zilambê;
Ke bona abamfunayo u-Yehova abasweli nanye into elungileyo.
11 Yizani, bonyana, pûlapûlani kum;
Ndonifundisa ukoyika u-Yehova.
12 Ngubanina umntu obunxâmeleyo ubomi,
Otânda imihla yokubona okulungileyo?
13 Gcina ulwimi lwakô ebubini,
Umlomo wakô ungatêti inkohliso.
14 Suka ebubini, wenze okulungileyo;
Funa uxolo, ulupûtûme.
15 Amehlo ka-Yehova akumalungisa,
Indlebe zakê zisekuzibikeni kwawo.
16 Ubuso buka-Yehova bujonge abenzi bokubi,
Ukuba akunqumle emhlabeni ukukûnjulwa kwabo.
17 Akâla, weva u-Yehova;
Wawahlangula ezimbândezelweni zawo zonke.
18 Usondele u-Yehova kwabantliziyo zapûkileyo,
Abasindise abamoya utyumkileyo.
19 Buninzi ububi obulihlelayo ilungisa,
Ke u-Yehova ulihlangula kubo bonke.
20 Uyawagcina onke amatâmbo alo,
Akwapûki nalinye kuwo.
21 Ububi buyambulala ongendawo;
Abatîyi belungisa bayalitwâla ityala.
22 U-Yehova uyawukûlula umpêfumlo wabakônzi bakê;
Bangatwâli tyala bonke abazimela ngaye.

Eka-Davide.

35 Bambâna, Yehova, nababambâna nam;
Yilwa nabalwa nam.
2 Qubula ikâka nengweletshetshe,
Usuk'ume undincede.
3 R'ola umkônto, uvingce indlela yabandisukelayo;
Yitî kumpêfumlo wam, Ndilusindiso lwakô.
4 Mabadane, bahlazeke abazungula umpêfumlo wam;
Mababuye umva babe nentloni abacinga ububi ngam.
5 Mababe njengomququ pâmbî komoya;
Sibatyâle bawe isitûnywa sika-Yehova.
6 Indlela yabo mayibe mnyama, ibe butêlezi;
Sibasukele isitûnywa sika-Yehova.
7 Ngokuba basigqumele mna isibatâ sabo ngelizé;
Bawumbêla isihogo umpêfumlo wam ngelizé.
8 Mayimfikele intshabalalo engazi;
Sibambîse yena isibatâ sakê awasigqumayo,
Eyele kuso ngesitônga.
9 Ugcobe-ke umpêfumlo wam ku-Yehova,
Ube nemihlali ngosindiso lwakê.
10 Onke amatâmbô am ayakutî, Yehova, ngubanina onjengawe,
Mhlanguli wosizana kowomeleleyo kunalo,

Digitized by Google

Kwa usizana nehlwempu kumxâkamfuli walo?
11 Kusuke kwema amanqïna ange nakulungisa,
Andibuza into endingayaziyo.
12 Bandibuyekeza ngobubi esikûndleni sokulungileyo;
Uxwâlekile umpêfumlo wam.
13 Ke mna, xa bebesifa, ingubo zam bezizezifwexayo;
Ndawucinezela umpêfumlo wam ngokuzila ukudla;
Umtândazo wam wabuyela esifubeni sam.
14 Ndazipâtâ njengokungatî unguwetu, njengokungatî ungumzalwana kum, ukuhambâhambâ kwam;
Ndanga ndingombâmbâzelela unina, ukutôbeka kwam ndinezimnyama zokuzila.
15 Ke ekuqwaleleni kwam avuya ahlangana,
Ahlangana ngam amagxidolo, nendingabaziyo,
Bandihlalela ngentlambâ, abayeka.
16 Ngokwentshembenxa ezizihiba ngenxa yesonka
Banditshixizela amazinyo.
17 Nkosi, kuninina ubonela?
Buyisa umpêfumlo wam kwintshabalaliso zabo,
Okupêla kwawo ezingonyameni.
18 Ndiya kubulela kuwe ebandleni elikûlu,
Ebantwini abaninzi ndiya kukudumisa.
19 Mazingandivuyeleli intshaba zam ngobuxoki;
Bangatyandelani ngoshiyi abanditîyayo ngelizé:
20 Ngokuba abatêtî luxolo;
Bacinga amazwi enkohliso ngabanyâmnyêkileyo belizwe.
21 Bayandisinekela,
Batî, Tshotsho! tshotsho! abonile amehlo etû.
22 Ubonile, Yehova; mus'ukuba sitûlu;
Nkosi, mus' ukuba kude kum.
23 Zivuse, upâpé ngenxa yebango lam,
Tixo wam, Nkosi yam, ngenxa yento esibambêne ngayo.
24 Litêtê ityala lam ngokobulungisa bakô,
Yehova Tîxo wam,
Mabangandivuyeleli;
25 Mabangatî entliziyweni yabo, Tshotsho! nantso into ebesiyifuna.
Mabangatî, Simginyile.
26 Mabadane, babe nentloni kunye
Abavuyela ububi bam;
Bambâtê ukudana nehlazo
Abazikûlisayo kunam.
27 Mabamemelele, bavuye abananze ubulungisa bam,
Bahlale besitî, Makabe mkûlu u-Yehova,
Ulonanz'uxolo lomkônzi wakê.
28 Ulwimi lwam luya kuxela ubulungisa bakô
Nendumiso yakô imihla yonke.

Kumongameli. Eyomkônzi ka-Yehova. Eka-Davide

36 Ongendawo unezihlabo zofeqo entliziyweni yakê ngapâkatî, ezitî,
Akukô koyika-Tîxo emehlweni akê,
2 Ngokuba zitêtâ kuye ngokugudileyo emehlweni akê,
Zide zimfumanise ubugwenxa bake, zimtîye.
3 Amazwi omlomo wakê abutshinga nenkohliso;
Uyekile ukwenza ngokuqiqa nokulungisa,
4 Ucinga ubutshinga elukûkweni lwakê;
Uzimisa endleleni engalungileyo;
Akabucekisi ububi.

5 Yehova inceba yakô ifikelela emazulwini,
Ukutêmbêka kwakô esibâkqbâkeni.
6 Ubulungisa bakô bunjengentaba zika-Tîxo;
Izigwebo zakô zingamanzi enzonzobila;
Usindisa umntu nenkomo, Yehova.
7 Hayi ixabiso lenceba yakô, Tixo!
Onyana baka-Adam bazimela ngetûnzi lamaphko akô.
8 Bayahlutiswa kutyeba kwendlu yakô;
Ubaseza emlanjeni wezivolo zakô.
9 Ngokuba likuwe itênde loboni;
Ekukânyeni kwakô sibona ukukânya.
10 Bolulele inceba yakô abakwaziyo,
Nobulungisa bakô abantliziyo zitêtye.
11 Malungandinyatêli unyawo lonefatshi;
Singandipêkuzi isandla sabangendawo.

Digitized by Google

12 Nabo bewile abasebenzi bobutshinga;
Batyâlwe bawa, ababi nakuvuka.

Eka-Davide.

37 Mus'ukuzivutîsa ngomsindo ngabenzi bobubi;
Mus'ukubamonela abenzi bobugqwetâ.
2 Ngokuba baya kusikwa kamsinyane njengencâ,
Babune njengohlaza olupûmayo.
3 Kôlosa ngo-Yehova, wenze okulungileyo;
Lime ilizwe, ulandelane nokutêmbêka.
4 Ziyolise ngo-Yehova,
Wokunika okunqwenelwa yintliziyo yakô.
5 Yiyakêle ku-Yehova indlela yakô,
Ukôlose ngaye, wokwenzela;
6 Abuvelise njengokukânya ubulungisa bakô,
Nebango lakô njengemini enkulu.
7 Yitî-cwaka ku-Yehova, ulinde kuye;
Mus'ukuzivutîsa ngomsindo ngonempumelelo ngendlela yakê,
Ngomntu ofeza amayelenqe.
8 Lahla umsindo, ushiye ubushushu;
Mus'ukuzivutîsa ngomsindo, kuba oko kusingisa ekwenzeni ububi kupêla.
9 Ngokuba abenzi bobubi baya kunqunyulwa;
Ke bona abamtêmbâyo u-Yehova, baya kulidla ilifa ilizwe.
10 Kusakuba mzuzwana, angabikô ongendawo;
Utî wakuyikângela indawo yakê, angabikô.
11 Ke bona abalulamileyo baya kulidla ilifa ilizwe,
Baziyolise ngobuninzi boxolo.
12 Ongendawo ulenzela amayelenqe ilungisa,
Ulitshixizela amazinyo akê.
13 I-Nkosi iyamhleka,
Ngokuba ibona ukuba iyeza imini yakê.
14 Bafole ifele abangendawo, bagobe isapêta sabo,
Ukuba bawise usizana nehlwempu,
Basike abandlela zitê-tye.
15 Ifele labo liya kungena kwakweyabo intliziyo,
Zapûke izapêta zabo.
16 Ilungile intwana elinayo ilungisa
Kunentabalala abanayo abangendawo abaninzi:
17 Ngokuba ingalo zabangendawo ziyakwapûlwa;
Ngu-Yehova umxâsi wamalungisa.
18 Ngu-Yehova umazi wemihla yabagqibeleleyo,
Nelifa labo liya kuba ngunapâkade.
19 Abayi kudana ngexesha lobubi;
Baya kuhluta ngemini zendlala:
20 Ngokuba abangendawo bayatshabalala;
Intshaba zika-Yehova zinjengobuhle bamadlelo:
Ziya kupêla njengomsi, zipêle.
21 Uyaboleka ongendawo, angabuyisi;
Ke lona ilungisa liyababala, lipê.
22 Ngokuba abasikelelweyo nguye baya kulidla ilifa ilizwe,
Banqanyulwe abatshabisiweyo nguye.
23 Amanyatêla omfo aqiniswa ngu-Yehova,
Ayitânde indlela yakê.
24 Ewile, akayi kuqungquluza:
Ngokuba ngu-Yehova umxâsi wesandla sakê.
25 Kêndaba mncinane, kungoku-nje ndimkûlu;
Ukanti andizanga ndilibone ilungisa lishiywa,
Nembêwu yalo ivukela isonka.
26 Imihla yonke liyababala, liboleke abanye;
Nembêwu yalo iyintsikelelo.
27 Suka ebubini, wenze okulungileyo,
Uhlale ngonapâkade.
28 Ngokuba u-Yehova utânda okusesikweni,
Angabashiyi abenceba bakê:
Bagciniwe ngonapâkade;
Ke yona imbêwu yongendawo iyanqanyulwa.
29 Amalungisa aya kulidla ilifa ilizwe,
Ahlale kulo ngonapâkade.
30 Umlomo welungisa uxela ubulumko,
Nolwimi lwalo lutêtâ okusesikweni.
31 Umyalelo wo-Tixo walo usentliziyweni yalo;
Akayi kuhexa amanyatêla alo.
32 Ongendawo uyalilalela ilungisa,
Ufuna ukulibulala.
33 U-Yehova akalinikeli esandleni sakê,
Angaligwebi ekutêtweni kwetyala lalo.

Digitized by Google

34 Tëmbëla ku-Yehova, ugcine indlela yakë,
Wokupâkamisa, ulidle ilifa ilizwe;
Ekunqanyulweni kongendawo wobonela.
35 Ndimbonile ongendawo oyingqwangangqwili,
Exanda njengomtî omilileyo, uluhlaza;
36 Kwadlula umntu, nanko engasekô;
Ndamfuna, akafumaneka.
37 Gcina ogqibeleleyo, ukângele otê-tye;
Ngokuba izivela-mva zezomntu woxolo.
38 Ke bona abangendawo batshatyalaliswa kupêle;
Isivela-mva songendawo siyanqanyulwa.
39 Usindiso lwamalungisa lupûma ku-Yehova;
Uligwiba lawo ngexesha lembândezelo.
40 U-Yehova uyawanceda, awasindise,
Awasindise kongendawo, awasindise,
Ngokuba azimela ngaye.

Umhobe ka-Davide, eyokukúmbûza.

38 Yehova, mus'ukundohlwaya unobuŕalaŕume,
Unganditêtîsi unobushushu:
2 Ngokuba intolo zakô zitshone kum,
Sehla kanzima kum isandla sakô.
3 Akukô ndawo ipîlileyo enyameni yam ngenxa yokubâvuma kwakô;
Akuko kupîla ematânjeni am ngenxa yezono zam.
4 Ngokuba ubugwenxa bam bugqitîle entloko yam,
Bundisinda njengomtŵalo onzima.
5 Iyanuka iyabîqiza imivumbô yam,
Ngenxa yokumatâ kwam.
6 Ndiyapenapena, ndisibekeke kakûlu;
Yonke imini ndihambâhambâ ngezimnyama zokuzila.
7 Ngokuba kuyatshisa emihlubulweni yam,
Akukô ndawo ipîlileyo enyameni yam.
8 Ndiqōbile, ndityumkile kakûlu;
Ndibôngiswa kukugcuma kwentliziyo yam.
9 Nkosi yam, upâmbî kwakô wonke umnqweno wam,
Nokuncwina kwam akusitêle kuwe.
10 Ipâpû lam liyabetâ, ndipêlelwe ngamandla;
Ukukânya kwamehlo am, nako oko, akukô kum.
11 Abanditândayo nowetû bamele mgama ekubetŵeni kwam,
Nezalamane zam zimi kude.
12 Banditîyele abafuna umpêfumlo wam;
Abanxâmele ukuba ndihlelwe bububi batêtâ izinto zokweyelisela,
Bacamanga inkohliso imini yonke.
13 Ke mna ndinjengesitûlu, andiva;
Njengesidenge esingawuvuliyo umlomo waso.
14 Ndinjengomntu ongeva nto,
Omlomo unge nakutêtîsa.
15 Ngokuba ndilindē kuwe, Yehova;
Kuya kupêndula wena, Nkosi yam, Tîxo wam.
16 Ngokuba nditî, Hleze bandivuyelele:
Bona abo bangazikûlisayo kum ekutyibilikeni konyawo lwam.
17 Ngokuba ndihlalele ukujingxela,
Umvandedwa wam upâmbî kwam amaxesha onke.
18 Ngokuba ndiya kubuxela ubugwenxa bam;
Ndinesitûkutêzi ngenxa yesono sam.
19 Ke zona intshaba zam zipîlile, zizimfidi;
Baninzi abanditîyileyo bexoka;
20 Abandibuyekeza ngobubi esikûndleni sokulungileyo
Bayandicâsa, ngenxa yokupûtûma kwam okulungileyo.
21 Mus'ukundishiya, Yehova;
Tîxo wam, mus'ukuba kude nam.
22 Kâuleza undincede,
Nkosi yam, msindisi wam.

Kumongameli, ku-Yedutun. Umhobe ka-Davide.

39 Ndatî, Ndiya kuzigcina indlela zam,
Ndingoni ngolwimi lwam;
Ndiya kuwugcina ngokuwubopâ umlomo wam,
Xa ongendawo asepâmbî kwam.
2 Ndaba sidenge, ndatôzama,
Ndazisulungisa nakokulungileyo;
Wagxobagxobeka umvandedwa wam.
3 Yaba nobushushu intliziyo yam pâkatî kwam,
Ekucamangeni kwam wavutâ umlilo.
Ndatêtâ-ke ngolwimi lwam,
4 Ndatî, Ndazise, Yehova, isipêlo sam.
Nomlinganiso wemihla yam into oyiyo;

Digitized by Google

Mandikwazi ukunqamka kwam into okuyiyo.
5 Yabona, uyenze imihla yam yanganga-ngobubanzi besandla;
Nobomi bam bunjengento engento pâmbî kwakô;
Ngumpûnga-nje bonke abantu nakuba bemi. (Pâkamisani.)
6 Uhambâhambâ umntu enjengesitûnzi-nje kodwa;
Baxokozela ngompûnga-nje kodwa;
Bafumbâ, bengazi ukuba ngubanina oya kukuhlanganisa.
7 Ngoku ndiya kutêmbelâ kwinto-nina, Nkosi yam?
Ukulinda kwam kukuwe.
8 Ndihlangule elufeqweni lwam lonke;
Mus'ukundimisela ingcikivo yesidenge.
9 Ndisidenge, umlomo wam andiwuvuli,
Ngokuba oko kwenziwe nguwe.
10 Sisuse kum isibetô sakô;
Mna ndiyapêla kutyundyuta kwesandla sakô.
11 Wakumtêtisa umntu ngezohlwayo ngenxa yobugwenxa,
Uyasonakalisa njengenundu isoya sakê:
Ngumpûnga-nje kodwa bonke abantu. (Pâkamisani.)
12 Yiva umtândazo wam, Yehova,
Kubekele indlebe ukuzibika kwam.
Mus' ukutî-tu ezinyembêzini zam;
Ngokuba ndingumpâmbûkeli kuwe,
Undwendwe njengobawo bonke.
13 Bêka pâya, ungandikângeli, kêndincumeze,
Ndingekemki ndingabi sabikô.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

40 Ndatêmbelâ, nditêmbelê ku-Yehova,
Watôba, wakuva ukuzibika kwam.
2 Wandifola emhâdini wentshabalalo, naseludakeni lomgxobozo,
Wazimisa eliweni inyawo zam, wakuqinisa ukunyatêla kwam.
3 Wabeka emlonyeni wam ingoma entsha, indumiso ku-Tîxo wetû,
Abaninzi bayabona, boyike,
Bakôlose ngo-Yehova.
4 Hayi uyolo lwendoda emenze u-Yehova inkoloseko yayo,
Ingabêki kwabagwagwisayo, nakubanxaxî abanamanga.
5 Yehova, Tîxo wam, wena wenze okuninzi ngemisebenzi yakô ebalulekileyo,
Nengcinga zakô kutî;
Akukô nto inokulinganiswa nawe;
Okanye bendiya kuyixela nditêtê ngayo,
Ke ziyinkohla enge nakubalwa.
6 Akunanze mbingelelo nanimikelo wakudla;
Indlebe zam uzivulile;
Akubizi dini linyukayo nadini lasono.
7 Ndaza ndatî, Yabona,
Ndiyeza ndinencwadi esongiweyo kubâlwe ngam.
8 Ukwenza okulikôlo kuwe, Tîxo wam, ndikunanzile;
Nomyalelo wakô usezibilinini zam ngapâkatî.
9 Ndashumayela indaba ezilungileyo zobulungisa ebandleni elikûlu;
Yabona, andiwutîntelanga umlomo wam,
Yehova, wena uyazi.
10 Ubulungisa bakô andibugqumanga pâkatî kwentliziyo yam;
Ndakukânkanya ukutêmbêka kwakô nosindiso lwakô;
Andiyikânyelanga inceba yakô nenyaniso yakô ebandleni elikûlu.
11 Wena Yehova, akuyi kuzitîntela imfesane zakô kum;
Inceba yakô nenyaniso yakô iya kuhlala indilondoloza.
12 Ngokuba zindijikele izinto ezimbî, ezide azabi nakubalwa;
Bundifikele ubugwenxa bam, andinakubukângela;
Buninzi kunenwele zentloko yam;
Ndimkelwe yintliziyo.
13 Ngamana, Yehova, wandihlangula;
Yehova, wakâuleza wandinceda!
14 Mabadane babe nentloni kupêle
Abazungula umpêfumlo wam, ukuze bawupêpête;
Mababuye umva bahlazeke
Abananze ukuba ndihlelwe bububi.
15 Mabamangaliswe ngumvuzo wehlazo labo
Abatî kum, Tshotsho! tshotsho!
16 Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abakufunayo,

Digitized by Google

Abalutândayo usindiso lwakô bahlale besitî,
Makakûliswe u-Yehova.
17 Mna-ke ndilusizana, ndilihlwempu;
I-Nkosi iya kundikûmbûlela.
Umncedi wam nomsindisi wam nguwe;
Tîxo wam, mus'ukulibala.

Kumongameli. Umhobo ka-Davide.

41 Hayi uyolo lwalowo unyamekela ihlwempu!
Ngomhla wobubi u-Yehova uya kumhlangula.
2 U-Yehova uya kumlondoloza amgcine apîle.
Kuya kutîwa unoyolo yena emhlabeni;
Ungamnikeli elitêni lentshaba zakê.
3 U-Yehova uya kumxâsa elukûkweni lobulwelwe;
Uya kuluguqula ukûko lwakê lonke esifeni sakê.
4 Nditî mna, Yehova, tafu;
Pîlisa umpêfumlo wam, ngokuba ndonile kuwe.
5 Intshaba zam zitêtâ kakubi ngam,
Zitî, Uya kufa ninina, lidake igama lake?
6 Notê weza kundilunguza, utêtâ into ekôhlakeleyo;
Intliziyo yakê ibutâ ubutshinga;
Upûma pândle, abutêtê.
7 Basebezelana ngam bonke abanditîyayo;
Bacinga ububi ngam,
8 Batî, Unanyekwe bubutshijolo,
Engoleleyo-nje, akayi kubuye avuke.
9 Kwa nendoda exolelene nam, ebendikôlose ngayo,
Ebisidla isonka sam, indipâkamisele isitênde sayo.
10 Wena Yehova, ndibabale, undipâkamise,
Ndibabuyekeze.
11 Ndazi ngalento, ukuba undinonelele,
Yokokuba lunge nakundidumela utshaba lwam.
12 Mna ekugqibeleleni kwam uyandixâsa,
Undimisa pâmbî kwakô ngonapâkade.

13 Makabongwe u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni. Amen, amen.

Kumongameli; eyokuqiqa; eyonyana baka-Kora.

42 Njengexâma elitsalela emifuleni yamanzi,
Wenje-njalo ukutsalela kuwe, Tîxo, umpêfumlo wam.
2 Umpêfumlo wam unxanela u-Tîxo, u-Tîxo opîlileyo;
Ndiya kufika ninina, ndibonakale ebusweni buka-Tîxo?
3 Inyembêzi zam zaba kukudla kwam imini nobusuku,
Bakutî kum imihla yonke, Upîna u-Tîxo wakô?
4 Ndikûmbûla oku, ndiwupâlazela kum umpêfumlo wam,
Ukuhambâ kwam nezihlwele ndisiya endlwini ka-Tîxo,
Sinezwi lokumemelela nokubulela, siyingxokolo evuyayo.
5 Kunganina ukuba usibekeke, mpêfumlo wam;
Kunganina ukuba ugule ngapâkatî kwam?
Lindela ku-Tîxo, ngokuba ndisa kubuye ndibulele kuye,
Olusindiso lobuso bam no-Tîxo wam.

6 *Tiro* wam, umpêfumlo wam usibekekile kum; ngenxa yoko ndikûmbûla wena
Ezweni lase-Yordan, nakwele-Hermon, entabeni ye-Mitsare.
7 Amanzi anzongonzongo abiza amanzi anzongonzongo ngesandi sengxangxasi zakô;
Onke amaza akô alwayo namaza akô agugumayo adlule pêzu kwam.
8 Emini u-Yehova uya kuyiwisela umtêtô inceba yakê,
Nasebusuku ukuvuma ngaye kunam,
Ukutândaza ku-Tîxo wobomi bam.
9 Nditî-ke ku-Tîxo oyingxondoka yam, Undilibele nganina?
Ndihambêla-nina ngezimnyama zokuzila ngokuxina kotshaba?
10 Ngento epêhlayo ematânjeni am bayandingcikiva abandibandezelayo,
Ngokutî kwabo kum imihla yonke, Upîna u-Tîxo wakô?
11 Kunganina ukuba usibekeke, mpêfumlo wam;
Kunganina ukuba ugule ngapâkatî kwam?

Digitized by Google

Lindela ku-Tîxo, ngokuba ndisa kubuye ndibulele kuye,
Olusindiso lobuso bam no-Tixo wam.

43 Litêtê ityala lam, Tîxo, ubambâne ngenxa yam nohlanga olunge nanceba;
Ndisindise endodeni ekohlisayo enobugqwetâ.
2 Ngokuba ungu-Tîxo oyinqaba yam, undihlambêla-nina?
Ndihambêla-nina ngezimnyama zokuzila ngokuxina kotshaba?
3 Tûma ukukânya kwakô nenyaniso yakô, zindikâpê,
Zindise entabeni yakô engewele,
Naseminqubeni yakô.
4 Ndoya-ke esibingelelweni sika-Tîxo,
Ku-Tîxo wovuyo lwam olugcobayo,
Ndibulele kuwe ngohadi, Tîxo ongu-Tîxo wam.
5 Kunganina ukuba usibekeke, mpêfumlo wam?
Kunganina ukuba ugule ngapâkatî kwam?
Lindela ku-Tîxo, ngokuba ndisa kubuye ndibulele kuye,
Olusindiso lobuso bam no-Tixo wam.

Kumongameli; eyonyana baka-Kora; eyokuqiqa.

44 Tîxo, sivile ngendlebe zetû,
Obawo basibalisela,
Ngomsebenzi owawenza ngemihla yabo, ngemihla yamandulo.
2 Okokuba isandla sakô sagqogqa intlanga, sabatyala bona;
Saviva izizwe, sabanabisa bona.
3 Ngokuba abalihlutânga ilizwe ngeŕele labo,
Abazisindisanga ngengalo yabo;
Sisandla sakô sokunene, nengalo yakô, nokukânya kobuso bakô,
Ngokuba waunesisa kubo.
4 Wena ungu-Kumkani wam, Tîxo;
Yitsho lubekô usindiso ku-Yakobi.
5 Ngawe sobangqula abasibandezelayo;
Ngegama lakô sobagqusha abasukela pêzulu kutî.
6 Ngokuba andikôlose ngesapêta sam;
Andisindiswa ngeŕele lam.
7 Hayi, nguwe osisindisayo kwabasibandezelayo,
Ubadanise abasitîyileyo.
8 Ngo-Tîxo sidumisa imihla yonke,
Sibulele kwigama lakô ngonapâkade. (Pâkamisani.)
9 Noko-ke usihlambîle, usihlazile,
Akwapûma nemikôsi yetû.
10 Usibuyise umva pâmbî kombandezeli;
Abasitîyileyo basipângile okwabo.
11 Wasinikela njengegusha ezidliwayo;
Wasicîtâcîtâ ezintlangeni;
12 Watêngisa ngabantu bakô akwazuza,
Akwalinyusa ixabiso labo.
13 Wasenza isingcikivo kubamelwane betû,
Isigculelo nesicukucezo kwabasijikelezileyo.
14 Wasenza umzekeliso ezintlangeni,
Abokuhlunguzelelwa·intloko ezizweni.
15 Yonke imihla ihlazo lam lipâmbî kwam,
Nokudana kobuso bam kundigubungele;
16 Ngenxa yezwi lomngcikivi nomnyelisi,
Ngenxa yokukângela kotshaba nompîndezeli.
17 Oko konke kusifikele, asikulibalanga wena,
Asixokanga emnqopîsweni wakô;
18 Ayibuyanga umva intliziyo yetû,
Ukunyatêla kwetû akutânga-gubucala emendweni wakô;
19 Ukuba usityumze endaweni yempungutye,
Usigubungele ngetûnzi lokufa.
20 Ukuba besililibele igama lika-Tîxo wetû,
Sazolulela kutîxo wasemzini izandla zetû:
21 Ubengayi kuyigocagoca-na u-Tîxo lonto?
Ngokuba ezazi indawo ezifihlakeleyo zentliziyo.
22 Hayi, ngenxa yakô sibulawa imihla yonke;
Kutîwa sizigusha zokuxêlwa.
23 Vuka, ulalele-nina, Nkosi yam?
Qabuka, ungasihlambî kupêle.
24 Ubusitêlisela-nina ubuso bakô,
Ukulibale ukucinezelwa kwetû nokuxinwa kwetû?
25 Ngokuba usibekeke elutûlini umpêfumlo wetû,
Sanamatêla emhlabeni isisu setû.
26 Kâusuk'ume usincede,
Usikûlule ngenxa yenceba yakô.

Digitized by Google

Kumongameli; ngeyenyibiba; eyonyana baka-Kora; eyokuqiqa. Ingoma yêntânda.

45 Intliziyo yam ipûpûma ilizwi elihle,
Ndisiti, Into endiyenzayo isingise kukumkani;
Ulwimi lwam lusiba lombâli okâulezayo.
2 Umhle wamhle ngapêzu konyana baka-Adam;
Kugalelwe ubumnandi emlonyeni wakô:
Ngenxa yoko ukusikelele u-Tixo wakô ngonapâkade.
3 Bînqa ifele lakô etângêni, gofa,
Bînqa indili yakô nobungangamela bakô;
4 Tŷudisa, ukwele uhambe, unobungangamela bakô,
Ngenxa yenyaniso, nolulamo olunobulungisa,
Sikuyale ngezinto ezoyikekayo isandla sakô sokunene.
5 Intolo zakô zitsolile;
Kuya kuwa izizwe pântsi kwakô;
Zitsolile entliziyweni zentshaba zokumkani.
6 I-trone yako, Tixo, ingunapâkade kanapâkade;
Yintonga etê-tye intonga yobukumkani bakô.
7 Utânda ubulungisa, utîye okungendawo;
Ngenxa yoko ukutâmbîsilo u-Tixo, u-Tixo wakô,
Nge-oli yemihlali ngapêzu kwabalingane bakô.
8 Ziyi-more ne-halati ne-kasiya ingubo zakô zonke;
Emabôtweni empondo zendlovu uhadi ukuvuyisile.
9 Kukô intombi zokumkani pâkatî kwabatândekayo bakô;
Ukumkanikazi umi ngasekunene kwakô,
Enxibe i-golide ecikizekileyo yakwa-Ofire.
10 Yiva, ntombî, ubone, utôbe indlebe yakô,
Ubalibale abantu bakowenu, nendlu kayihlo;
11 Akubunqwenela ubunzwakazi bakô ukumkani,
Woqubuda kuye, ngokuba eyinkosi yakô.
12 Intombî engu-Tire, izityebi zabantu
Ziya kukuncekelela ngomnikelo.
13 Bubuyokoyoko bodwa intombî yokumkani kwelipâkatî igumbî.
Isambâtô sayo sesilukwe i-golide.
14 Isiwa kukumkani inengubo ezimfakamfele,
Intombî ziyilandela ezingowayo,
Zisisiwe kuwe.
15 Zisisiwa ngovuyo nangomgcobo,
Zingene ebôtweni lokumkani.
16 Endaweni yoyihlo iya kuba ngonyana bakô;
Uya kubamisa babe ngabatêtêli emhlabeni wonke.
17 Ndiya kulikânkanya igama lakô kwizizukulwana ngezizukulwana zonke;
Ngenxa yoko izizwe ziya kubulela kuwe ngonapâkade kanapâkade.

Kumongameli; eyonyana baka-Kora; ngeyentombi. Ingoma.

46 U-Tixo ulihlatî uligwiba kutî;
Ezimbândezelweni ufumaneke eluncedo kunene.
2 Ngenxa yoko asoyiki ekupêndukeni komhlaba,
Ekudilikeleni kwentaba esazulwini solwandle.
3 Makagquine alepûze amanzi-alo,
Intaba zinyikime ngokuratsha kwalo. (Pâkamisani.)
4 Kukô umlambô ozibâxa zivuyisa umzi ka-Tixo,
Ingewele yeminquba yosenyangweni.
5 U-Tixo upâkatî kwawo, awushukunyiswa;
U-Tixo uyawunceda kwasekuzeni kokusa.
6 Ziyaxokozela intlanga, ziyashukuma izikumkani:
Ukûpâ izwi lakê, unyibilike umhlaba.
7 U-Yehova wemikôsi unatî,
Ingxonde yetû ngu-Tixo ka-Yakobi. (Pâkamisani.)
8 Yizani nikângele imisebenzi ka-Yehova:
Owenze izipânziso emhlabeni,
9 Ulopêlisa imfazwe kude kuse ezipêlweni zomhlaba,
Wapûla isapêtâ, anqumze umkônto,
Atshise inqwelo zokulwa ngomlilo.

Digitized by Google

10 Yekani, nazi ukuba ndingu-Tixo mna.
Ndiya kupakanyiswa ezintlangeni,
ndiya kupakanyiswa emhlabeni.
11 U-Yehova wemikosi unati,
Ingxonde yetu ngu-Tixo ka-Yakobi.
(Pakamisani.)

Kumongameli; eyonyana baka-Kora. Umhobe.

47 Nonke zizwe, betani izandla,
Dumani ku-Tixo ngezwi lokumemelela.
2 Ngokuba u-Yehova Osenyangweni uyoyikeka;
Ngu-Kumkani omkulu emhlabeni wonke;
3 Uzikandanisela pantsi kwetu izizwe,
Izizwe pantsi kwenyawo zetu.
4 Usinyulela ilifa letu,
Iqayiya lika-Yakobi awamtandayo.
(Pakamisani.)
5 U-Tixo unyukile, kudunywa;
U-Yehova, kuhlokoma isigodlo.
6 Mbetelèni uhadi u-Tixo, mbetelèni,
Mbetelèni uhadi u-Kumkani wetu, mbetelèni!
7 Ngokuba u-Kumkani womhlaba wonke ngu-Tixo;
Mbetelèni ngeyokuqiqa.
8 U-Tixo ngukumkani wentlanga;
U-Tixo uhleli e-troneni yake engcwele.
9 Amanene ezizwe ahlanganisene,
Abantu bo-Tixo ka-Abraham;
Ngokuba ingweletshetshe zomhlaba zezika-Tixo;
Unyusiwe kakulu yena.

Ingoma. Umhobe. Eyonyana baka-Kora.

48 Mkulu u-Yehova, engowokudunyiswa kunene
Emzini ko-Tixo wetu, entabeni yake engcwele.
2 Intle ukupakama kwayo, yimihlali yomhlaba wonke
Intaba yase-Tsiyon, intlomo yase-Ntla,
Umzi wo-Kumkani omkulu.
3 U-Tixo, ezingxandeni zawo ezinde,
Wazelwa ukuba yingxonde.
4 Kuba nabo okumkani babenqopisene,
Bawela beza kunye;
5 Bakut'ukubona abakulumanga;
Bakwanqa, babaleka bupututupu;
6 Babanjwa kona kukututumela;
Kukuzibijabija njengozalayo.
7 Ngomoya wasempumalanga
Uyazivita inqanawa zakwa-Tarshishe.
8 Njengoko sikuvileyo, sibone kunjalo
Emzini ka-Yehova wemikosi, emzini ka-Tixo wetu:
U-Tixo uyawuzinzisa ngonapakade.
(Pakamisani.)
9 Sayikumbula, Tixo, inceba yako
Pakati kwe-tempile yako.
10 Njengoko linjalo igama lako, Tixo,
Lunjalo udumiso lwako,
Kwesa ezipelweni zomhlaba;
Isandla sako sokunene sizele bubulungisa.
11 Mayivuye intaba yase-Tsiyon,
Agcobe amagxamesi akwa-Yuda,
Ngenxa yezigwebo zako.
12 Yijikelezeni i-Tsiyon, niyizunguleze;
Zibaleni inqaba zayo ezinde,
13 Qalani unqameko lomsele wayo;
Candani ezingxandeni zayo ezinde;
Ukuze nibalisele isizukulwana esizayo,
14 Ukuba lo-Tixo ngu-Tixo wetu ngonapakade kanapakade,
Yena uya kusikapa. (Ngokwe-mute.)

Kumongameli; eyonyana baka-Kora. Umhobe.

49 Yivani oku, nina nonke zizwe;
Bekani indlebe, nina nonke bemi belipakade,
2 Nina nyana boluntu, nani nyana bamadoda,
Nina zityebi, nani mahlwempu kunye.
3 Umlomo wam uza kutetà ubulumko;
Nokucamanga kwentliziyo yam kukuqonda.
4 Ndiya kuyitobela emzekelisweni indlebe yam,
Ndiya kuyivulela ngohadi intsonkotà yam.
5 Ndoyikela-nina emihleni yobubi,
Xa ubugwenxa babandibambisayo bundijikelayo?
6 Abo bakolose ngemfuyo yabo,
Baqayisa ngobuninzi bobutyebi babo;
7 Akuko bani unokukulula umzalwana;
Akanakumnika u-Tixo isicamagusho ngaye.
8 (Sinqabile isikululo sompefumlo wabo,

Digitized by Google

Masincanywe ngonapâkade,)
9 Sokuba ahlale esidla ubomi ngamaxesha onke,
Angasiboni isihogo,
10 Ngokuba ebona izilumko zibûbâ;
Bedaka kunye abanyabileyo nezityâkala,
Bayishiya nabanye imfuyo yabo.
11 Imbîlini yabo itî izindlu zabo zingunapâkade,
Iminquba yabo ikwizizukulwana ngezizukulwana;
Bayitîya imihlaba yabo ngamagama abo.
12 Ke umntu enobuhandiba akanakuhlala,
Ufana nenkomo-ezi zitshabalalayo.

13 Yiyo le indlela yabanyabileyo,
Neyabo babalandelayo, bekôliswa ngumlomo wabo. (Pâkamisani.)
14 Babutê ngokwegusha kwelabafileyo,
Ukufa kuya balûsa;
Abatê-tye babanyatêla kwakusa;
Isitômo sabo abo siyonakala kwelabafileyo singabi nandawo yokuhlala.
15 Kodwa u-Tîxo uya kuwukûlula umpêfumlo wam esandleni selabafileyo,
Ngokuba uya kunditâbatâ. (Pâkamisani.)
16 Mus'ukoyika, yakuba sityebi indoda,
Bakwanda ubuqaqauli bendlu yayo:
17 Ngokuba ekufeni kwayo ayi kutâbatâ nento,
Aluyi kuhla emva kwayo uzuko lwayo.
18 Nakuba umntu ekudleni kwakê ubomi ebewusikelela umpêfumlo wakê,
Bakudumise ngokuzicwayitîsa kwakô,
19 Uya kuya noko esizukulwaneni soyise;
Abayi kukubona ukukânya napâkade.
20 Ke umntu onobuhandiba abe engaqondi,
Ufana nenkomo-ezi zitshabalalayo.

Umhobo ka-Asafu.

50 U-Tîxo, u-Tîxo u-Yehova uyatêtâ;
Uyawubiza umhlaba, etâbatêla ekupûmeni kwelanga esisa ekutshoneni kwalo.
2 E-Tsiyon, ukupêla kwenzwana,
Uyakâzimla u-Tîxo.
3 Uyeza u-Tîxo wetû, akayi kutî-cwaka;
Kudla umlilo pâmbî kwakê,
Ngenxa zonke kuye sisaqwîti esikûlu.
4 Ubiza amazulu pêzulu,
Nomhlaba, ukuba agwebe pâkatî kwabantu bakê.
5 Utî, Bahlanganiseleni kum abam benceba,
Abenze umnqopîso nam ngombingelelo.
6 Amazulu axela ubulungisa bakê,
Ngokuba u-Tîxo eza kugweba yena. (Pâkamisani.)
7 Yivani, bantu bam, nditêtê;
Sirayeli, ndiqononondise kuwe,
Ndingu-Tîxo, u-Tîxo wakô.
8 Andikohlwayi ngenxa yemibingelelo yakô,
Namadini akô anyukayo apâmbî kwam amaxesha onke.
9 Andiyi kutâbatâ zinkunzi zankomo endlwini yakô,
Nazinkunzi za-bôkwe esibayeni sakô.
10 Ngokuba zezam zonke inyamakazi zehlatî,
Nenkomo ezisezintabeni eziliwaka.
11 Intaka zonke zasezintabeni ndiyazazi,
Nento edakasa endle inam.
12 Ukuba bendilambîle, bendingayi kukuxelela;
Ngokuba lelam elimiweyo nenzaliseko yalo.
13 Ndidle inyama yenkunzi ezizimbâlasane-na?
Ndisele igazi lenkunzi ze-bôkwe-na?
14 Bingelela ku-Yehova umbulelo,
Uzizalise k-Osenyangweni izibâmbâtîso zakô;
15 Ubize mna ngemini yembândezelo,
Ndikuhlangule, undizukise.

16 Ke kongendawo utî u-Tîxo,
Ukuzeke pîna wena ukuxela ummiselo wam,
Uwupâtê ngomlomo wakô umnqopîso wam,
17 Uyitîyile-nje intetîso wena,
Uwapôse-nje amazwi am emva kwakô.
18 Xa ubona isela, ukôlana nalo;
Wabelane nabaŕexezi.
19 Umlomo wakô uwuyekela ebubini;
Ulwimi lwakô lutûngela inkohliso;
20 Utî uhlale utêtê ngomzalwana wakô,
Uhlaze umnta kanyoko.

Digitized by Google

21 Uzenzile ezonto ndatî-tu,
Waba ndinjengawe.
Ndiya kukohlwaya ndizicwangcise emehlweni akô.

22 Kâniqonde-ke oko, nina bamlibalayo u-Tixo,
Hleze ndiqwenge, kungabikô uhlangulayo.
23 Obingelela umbulelo uyandizukisa,
Alungise indlela,
Endombonisa kuyo usindiso luka-Tîxo.

Kumongameli. Umhobo ka-Davide: okuzeni kuka-Natan umprofeti kuye, emveni kokuba ebengene u-Batusheba.

51 Tafu, Tixo, ngokwenceba yakô;
Ngokobuninzi benceba yakô cima uŕeqo lwam;
2 Ndixovule kunene, busuke ubugwenxa bam;
Undihlambûlule esonweni sam:
3 Ngokuba ndilwazi mna uŕeqo lwam,
Nesono sam sipâmbî kwam ngamaxesha onke.
4 Ndonile kuwe, kuwe wedwa.
Ndenza okubi emehlweni akô;
Ukuze ube lilungisa ekutêtêni kwakô,
Ucace ekugwebeni kwakô.
5 Uyabona, ndizalelwe ebugwenxeni,
Ndakâulwa ngumá esonweni.
6 Uyabona, ufuna inyaniso ezintsweni,
Esitêni undazisa ubulumko.
7 Ndihlambûlul' isono nge-hisope, ndihlambûluke;
Ndixovule, ndibe mhlopê kunekêpu;
8 Ndivise imihlali nemivuyo,
Agcobe amatâmbô owacolileyo;
9 Sitêlisa ubuso bakô ezonweni zam,
Ubucime bonke ubugwenxa bam.
10 Dala pâkatî kwam, Tîxo, intliziyo ehlambûlukileyo,
Uhlaziye umoya oqinisekileyo pâkatî kwam.
11 Mus' ukundilahla ebusweni bakô,
U-Moya wakô oyingcwele ungawususi kum.
12 Buyisela kum imihlali yosindiso lwakô,
Undixâse ngomoya wentumekelelo.
13 Ndobafundisa abangendawo indlela zakô,
Babuyele kuwe aboni.
14 Ndihlangule emagazini, Tîxo, Tîxo o-ndisindisayo;
Lomemelela ngobulungisa bakô ulwimi lwam.
15 Nkosi yam, vula imilebe yomlomo wam;
Uxele indumiso yakô umlomo wam.
16 Ngokuba akunanze mibingelelo, bendiya kukunika;
Akalikôlo kuwe amadini anyukayo.
17 Imibingelelo ka-Tîxo ngumoya owapûkileyo,
Intliziyo eyapûkileyo etyumkileyo, Tîxo, akuyi kuyidela.

18 Yenzele okulungileyo i-Tsiyon ngokukôlekileyo kuwe;
Yakâ indonga ze-Yerusalem;
19 Kuya kwandula ukuba mnandi kuwe imibingelelo yobulungisa, amadini anyukayo apêleleyo;
Ziya kwandula ukunyuswa inkunzi ezintsha zenkomo esibingelelweni sakô.

Kumongameli. Eyokuqiqa: eka-Davide: oko u-Dowegi um-Êdom waya waxelela u-Saule, wati kuye, U-Davide ungene endlwini ka-Ahimeleki.

52 Uqâyisela-nina ngobubi, wena gofa?
Inceba ka-Tîxo ikô imihla yonke.
2 Ulwimi lwakô lucinga ukweyelisela,
Njengesitshetshe sokuguya indevu esiloliweyo, wena mkohlisi.
3 Utânda okubi kunokulungileyo,
Ubuxoki kunokutêtâ ubulungisa.
(Pâkamisani.)
4 Utânda onke amazwi aginyayo,
Lulwimindini lukohlisayo.
5 Naye u-Tîxo uya kukudiliza kupêle;
Uya kukuxwila, akuncotûle en-tenteni,
Akudonyule ezweni labapîlileyo.
(Pâkamisani.)
6 Abonē amalungisa, oyike,
Amhleke atî,
7 Nanko umfo ongamenzanga igwiba lakê u-Tîxo,
Owakôlosa ngobuninzi bobutyebi bakê,
Wanencwângu ekukweyeliseleni kwakê.
8 Ke mna ndinjengomnquma oluhlaza endlwini ka-Tîxo;
Ndikôlose ngenceba ka-Tîxo ngonapâkade kanapâkade.
9 Ndiya kululela kuwe ngonapâkade, kuba ukwenzile oku;

Digitized by Google

Ndiya kutêmbâ igama lakô, ngokuba lilungile, pâmbî kwabenceba bakô.

Kumongameli; ngeyokûzo. Eyokuqiqa; eka-Davide.

53 Sitî isidenge entliziyweni yaso, Akukô Tîxo.
Bonakalisile, balisikizi ngobugqwetâ babo;
Akukô wenza okulungileyo.
2 U-Tîxo esezulwini uqondele konyana baka-Adam,
Ukubona ukuba ukô-na oqiqayo,
Ofuna u-Tîxo.
3 Bonke babuye umva, bayimbôzisa bepêlele;
Akukô wenza okulungileyo,
Akukô nokuba abe mnye.
4 Abanakwazi-na abasebenzi bobutshinga
Abatî bebadla abantu bam, batî badla isonka,
Bangamnquli u-Tîxo?
5 Apô bankwantya benkwantyile, pôfu kungekô nto inkwantyisayo;
Ngokuba u-Tîxo wawatî-sa amatâmbô omngqingi wakô;
Wabadanisa, ngokuba u-Tîxo ebebacekisile.
6 Akwaba bekuvela e-Tsiyon ukusindiswa kwama-Sirayeli!
Ekubuyiseni kuka-Tîxo abantu bakê ekutînjweni,
Wogcoba u-Yakobi, avuye u-Sirayeli.

Eyokubetelwa ngezinto ezinentambô. Kumongameli, Eyokuqiqa; Eka-Davide: ekufikeni kwabase-Zifi, bati ku-Saule, U-Davide akazimele pakati kwetû-na?

54 Tîxo, ndisindise ngegama lakô,
Uligwebe ityala lam ngobugofa bakô.
2 Tîxo, yiva umtândazo wam;
Wabekele indlebe amazwi omlomo wam;
3 Ngokuba abasemzini basukela pêzulu kum.
Nabanobungqwangangqwili bafuna umpêfumlo wam;
Abammisi u-Tîxo pâmbî kwabo.
(Pâkamisani.)
4 Yabona, u-Tîxo ngumncedi wam;
I-Nkosi yam ikwabasekela umpêfumlo wam.
5 Uya kubuyisela ububi kwabandilalelayo;
Ngenyaniso yakô ubabângise.
6 Ndiya kubingelela kuwe ngokuqûtywa yintliziyo;
Ndiya kubulela kwigama lakô, Yehova, kuba lilungile.
7 Ngokuba lindihlangule embândezelweni yonke;
Iliso lam libonela intshaba zam.

Kumongameli. Eyokubetelwa ngezinto ezinentambô. Eyokuqiqa; eka-Davide.

55 Wubekele indlebe umtândazo wam, Tîxo,
Mus' ukuzifihla esikûngweni sam;
2 Ndibazel' indlebe, undipêndule.
Ndiyapâpâtêka ekucamngceni kwam, ndincwine,
3 Ngenxa yelizwi lotshaba,
Ngenxa yokuxinzelelwa pântsi ngabangendawo;
Ngokuba zindiqengqela ubutshinga,
Ziyandisukela ngomsindo.
4 Intliziyo yam iyazibijabija pâkatî kwam;
Izitûso zokufa zindiwele.
5 Ukoyika nokutûtûmela kundingene;
Ndigutyungelwe kududuzela.
6 Ndatî, Andaba bendinamapîko njengehobe,
Bendiya kubaleka ndiye ndihlale!
7 Nanko ndibalekela kude,
Ndilale entlango. (Pâkamisani.)
8 Bendiya kukâuleza ndisinde
Emoyeni ovutûzayo naseluqwiteleni.
9 Tshabalalisa, Nkosi yam, yahlula ulwimi lwazo;
Ngokuba ndibone ukugonyamela nokubambâna pâkatî komzi.
10 Imini nobusuku bajikeleza ezindongeni zawo;
Ubutshinga nokwapûla kupâkatî kwawo;
11 Ukweyelisela kupâkatî kwawo;
Endaweni yembûtô yawo akusuki ukuxinezela nokukôhlisa.
12 Ngokuba asilutshaba-olu lundingcikivayo;
Bendiya kukutwala oko;
Asingonditîyileyo-lo uzikûlisayo kum,
Bendiya kusitêla kuye;
13 Nguwe mntu ubungumlingane wam,
Ikôlwane lam endazana nalo.
14 Ebesicweya kamnandi,
Siye endlwini ka-Tîxo silihlokondiba eligcobayo.
15 Ukufa makubaqubule,

Digitized by Google

Mabehle baye kwelabáfileyo besapílile;
Ngokuba ububi busemizihi yabo pákati kwabo.
16 Mna, ndinqula u-Tíxo;
U-Yehova uya kundisindisa.
17 Ngokuhlwa, nakusasa, nasemini enkulu ndiya kucamngca, ndincwine;
Uya kuliva izwi lam.
18 Uwukúlula umpéfumlo wam unoxolo, ukuze bangasondeli kum,
Ngokuba baninzi abandicásayo.
19 U-Tíxo uya kuva, abápéndule.
Uselokwamandulo ehleli, (Pákamisani.)
Abange nanguquko,
Abangamoyikiyo u-Tíxo.
20 Babasa isandla abaxolelene nabo;
Bahlambéla umnqopíso wabo;
21 Ubutélezi njengamasi umlomo wabo,
Ke yimfazwe intliziyo yabo;
Atámbíle amazwi abo ngapézu kweoli,
Kanti azintlangotí zefele.
22 Umtwalo wako wulahlele ku-Yehova, yena wokuzimasa;
Akayi kuliyekela ilungisa lishukunyiswe napákade.
23 Wena-ke Tíxo, uya kubahlisela emnxúnyeni wesihogo;
Abantu bamagazi nenkohliso abayi kuyiqingatísa imihla yabo;
Ke mna ndikólose ngawe.

Kumongameli; ngeyehobe elitè-cwaka pakati kwabakude. Eka-Davide. Elilligugu. Ukubanjwa kwake ngama-Filisti e-Gati.

56 Ndibabale, Tíxo, ngokuba abantu bendizonda;
Bandixinile besilwa yonke imini;
2 Abandilalelayo bandizonda yonke imini,
Ngokuba baninzi abalwa nam bezipákamisile.
3 Mhlana ndinxungupálayo mna
Ndokólosa ngawe.
4 Ndiya kulidumisa ngo-Tíxo ilizwi lakè,
Ndikólose ngo-Tíxo, ndingoyiki;
Inokundenza nto-nina inyama?
5 Yonke imini bayawapámbánisa amazwi am;
Zingam zonke ingcinga zabo zobubi.
6 Baqukene, babonisele,
Bona bagcine izitènde zam,
Ngokokuba belinde umpéfumlo wam.
7 Bengamatshinga-nje bosinda-ná?
Zihlise ngomsindo izizwe, Tíxo.
8 Ukupálapála kwam ukubalile wena;
Yitá inyembézi zam entsubeni yakó;
Azisencwadini yakó-ná?
9 Ziya kubuya umva-ke intshába zam mhlana ndibizayo;
Ndiyakwazi oku, ukuba u-Tíxo unam.
10 Ndilidumisa ngo-Tíxo ilizwi,
Ndilidumisa ngo-Yehova ilizwi.
11 Ndikólose ngo-Tíxo, ndingoyiki;
Unokundenza nto-nina umntu?
12 Zipézu kwam, Tíxo, izibámbátíso zakó;
Ndiya kuyizalisa kuwe imibingelelo yombulelo.
13 Ngokuba uwuhlangule ekufeni umpéfumlo wam,
Ewe inyawo zam ekungqulekeni,
Ukuba ndihambè pámbí ko-Tíxo
Ekukányeni kobomi.

Kumongameli; ngeti, Ungonakalisi. Eka-Davide. Elilligugu: ekumbalekeni kwakè u-Saule emqolombeni.

57 Ndibabale, Tíxo, ndibabale;
Ngokuba uzimela ngawe umpéfumlo wam;
Ndizimela esitúnzini samapíko akó,
Kude kudlule inxwáleko.
2 Ndinqula u-Tíxo Osenyangweni,
U-Tíxo ondifezelayo;
3 Uya kutúma esezulwini andisindise;
Emngcikiva-nje ondizondayo;
(Pákamisani.)
U-Tíxo uya kutúma inceba yakè nenyaniso yakè.
4 Umpéfumlo wam upákatí kwengonyama;
Ndiya kulala pántsi nabafutá umlilo,
Onyana baka-Adam abamazinyo azintshuntshe nentolo,
Ulwimi lwabo lulifele elibukáli.
5 Zipákamisele ngapézu kwamazulu, Tíxo,
Lube pézu komhlaba wonke uzuko lwako.

6 Isibatá basilungisele inyawo zam;
Bawugobile umpéfumlo wam;
Bandimbéla isihogo;
Beyela kuso ngokwabo. (Pákamisani.)
7 Izimasekile intliziyo yam, Tíxo, izimasekile intliziyo yam;
Ndiya kuvuma, ndiya kubetá ihadi.

Digitized by Google

8 Vuka, luzuko lwam; vukani, mfubê nohadi;
Ndiya kusipângela isifingo!
9 Ndiya kubulela kuwe pâkatî kwezizwe, Nkosi yam;
Ndiya kukubetêla uhadi pâkatî kwezizwe.
10 Ngokuba inkulu yada yaya emazulwini inceba yakô;
Yada yesa esibâkabâkeni inyaniso yakô.
11 Zipâkamisele ngapêzu kwamazulu, Tîxo,
Lube pêzu komhlaba wonke uzuko lwakô.

Kumongameli; ngeti, Ungonakalisi. Eka-Davide. Eliligugu.

58 Yinene-na kodwa ukuba nitêtâ ubulungisa, nina botîxo,
Nigweba onyana baka-Adam ngokutêtye?
2 Hayi, entliziyweni nenza ngobugqwetâ;
Ezweni nilinganisela ukugonyamela kwezandla zenu.
3 Abangendawo bapâmbûkile kwasesizalweni;
Bandwendwile kwasesiswini abatêtî bamanga.
4 Banobuhlungu obunjengobuhlungu benyoka,
Njengefambâ clizenza isitûlu, elivingca indlebe yalo;
5 Ukuze lingaliva izwi labanyangi,
Lababopâ ngomabopé bezincîbi.
6 Tîxo, yapûla amazinyo abo emlonyeni wabo;
Amabambâ engonyama ezintsha wavitê, Yehova.
7 Mabapâlale njengamanzi equkuqela;
Akuxuna intolo zakê, mazinge zicutshiwe.
8 Mababe njengenkumbâ ehambâ inyibilika,
Njengemva-mbîlini yomfazi engalibonanga ilanga.
9 Zingekaziva intsasa imbîza zenu,
Nokuba irwada *inyama*, nokuba iza kuvutwa, uyayiqweqwedisa.
10 Liya kuvuya ilungisa, lakuyibona impindezelo;
Liya kuzihlambâ inyawo zalo egazini longendawo;
11 Atî umntu, Inene, ilungisa linesiqâmo;
Inene, ukô u-Tîxo ogwebayo emhlabeni.

Kumongameli; ngeti, Ungonakalisi. Eka-Davide. Eliligugu: ekutumeleni kuka-Saule, bayilinda indlu ukuba bambulale.

59 Ndihlangule ezintshabeni zam, Tîxo wam,
Ndise engxondeni kwabasukela pêzulu kum.
2 Ndihlangule kubasebenzi bobutshinga;
Ndisindise ebantwini abanamagazi.
3 Ngokuba nabo bewulalela umpêfumlo wam,
Baqukana ngam abanamandla,
Kungekô lureqo kum, kungekô sono kum, Yehova.
4 Ndingenabugwenxa-nje bagidime, baxôba.
Vuka, undikâulele, ubone.
5 Wena Yehova, Tîxo wemikôsi, Tixo ka-Sirayeli,
Pâpâ, uzivelele zonke intlanga;
Mus'ukubayeka bonke abanginizayo bengabagqitî. (Pâkamisani.)
6 Bayabuya ngokuhlwa, bayavungama njengezinja,
Bawuhambâhambê umzi.
7 Nabo belepûza amagwebu ngomlomo;
Ngamafele emlonyeni wabo;
Ngokuba batî, Kuva banina?
8 Wena, Yehova, uyabahleka,
Uyazigculela zonke intlanga.
9 Mandla am, ndiya kulinda kuwe;
Ngokuba u-Tîxo yingxonde yam.
10 U-Tîxo wam uya kundikâulela ngenceba yakê;
U-Tixo uya kundibonisa abandilalelayo.
11 Mus' ukubabulala, hleze balibale abantu bakowetû;
Babâdulise ngamandla akô, ubawise,
Ngweletshetshe yetû, Nkosi yetû.
12 Isono somlomo wabo lilizwi lemilebe yomlomo wabo;
Mababanjiswe liratshi labo,
Nangenxa yokushwabula nokuhanahanisa abakutêtâvo.
13 Bagqibe ngobushushu; gqiba, bangabi sabikô;
Baqonde ukuba u-Tîxo ngumlauli kwa-Yakobi,

Digitized by Google

Wesa ezipêlweni zomhlaba.
(Pâkamisani.)
14 Bayabuya ngokuhlwa, bayavungama njengezinja,
Bawuhambâhambê umzi.
15 Bona babâdulela ukudla;
Ukuba batê abahlutâ, balala apô.
16 Ke mna, ndiya kuvuma ngamandla akô,
Ndimemelele kwakusasa ngenceba yakô,
Kuba ubuyingxonde kum,
Nendawo endisabela kuyo ngemini yokubandezelwa kwam,
17 Mandla am, ndiya kukubetêla uhadi;
Ngokuba u-Tîxo yingxonde yam, ngu-Tîxo wam onenceba.

Kumongameli; ngeyenyibiba yesinqino. Eliligugu. Eka-Davide, eyokufundisa: ekulweni kwake nama-Aram pakati kwemilambo nama-Aram ase-Tsoba; wabuya u-Yowabi, wawabulala ama-Edom emfuleni wetyuwa amawaka alishumi elinamabini.

60 Tixo, usihlambîle, wasicîtâ,
Waqumbâ; ngamana wasibuyisa.
2 Ulinyikimisile ilizwe, ulirazule;
Pîlisa intânda zalo ngokuba lishukuma.
3 Ubabonisile abantu bakô into elukûni,
Usiseze iwayini ehexisayo.
4 Ubanike i-banile abakoyikayo
Ukuba bayipâkamise ngenxa yenyaniso. (Pâkamisani.)

5 Ukuze zihlangulwe intanda zakô,
Sindisa ngesandla sakô sokunene, undipêndule.
6 U-Tîxo utêtê engcwele; mandivuyelele;
Ndimabe u-Shekem, ndiyilinganisele intili yase-Sukoti.
7 Ngowam u-Giliyadi, ngowam u-Manase,
U-Efrayim sigcina-ntloko sam,
U-Yuda yintonga yam yommiselo,
8 U-Mowabi sisitya sam sokuhlambêla,
Ndiyipôsa ku-Edom imbâdada yam;
Filisti, nqangaza wena ngam.
9 Ngubanina owondisa emzini wamandla?
Ngubanina owondikâpêla kwa-Edom?
10 Asinguwe-na, kwa wena Tîxo, osihlambîleyo?
Akwapûma, Tixo, nemikôsi yetû.
11 Sincede kumbandezeli wetû;
Alunto yanto usindiso lomntu.
12 Ngo-Tîxo siya kweyisa,
Abagqushe yena ababandezeli betû.

Kumongameli; eyokubetelwa ngezinto ezinentambo. Eka-Davide.

61 Kuve, Tîxo, ukuhlahlambâ kwam;
Wubazele indlebe umtândazo wam.
2 Ndidanduluka kuwe ndisesipêlweni somhlaba, ekutyâfeni kwentliziyo yam,
Ndikâpêle eweni elisemalengalengeni kum;
3 Ngokuba ulihlatî lam,
Uyinqaba ende eliqele pâmbî kotshaba.
4 Ndiya kupâmbûkela en-tenteni yakô ngonapâkade.
Ndiya kuzimela ngesitê lamapîko akô. (Pâkamanisi.)
5 Ngokuba wena, Tîxo, uzivile izibâmbâtîso zam;
Ubanike ilifa abaloyikayo igama lakô.
6 Uya kongeza imihla emihleni yokumkani;
Iminyaka yakê iya kuba njengezizukulwana ngezizukulwana;
7 Uya kuhlala ngonapâkade pâmbî ko-Tîxo,
Ummisele inceba nenyaniso, ukuba zimlondoloze.
8 Kukôna ndiyakulibetêla uhadi igama lakô ngonapâkade,
Ndizizalise izibâmbâtîso zam imihla ngemihla.

Kumongameli. Ku-Yedutun. Umhobe ka-Davide.

62 Utôzamele ku-Tîxo kwapêla umpêfumlo wam;
Kuvela kuye ukusindiswa kwam;
2 Nguye kwapêla iliwa lam, umsindisi wam,
Ingxonde yam; andiyi kushukunyiswa kakûlu.
3 Kuninina nisuka indulumbâne emntwini?
Kuninina nimncinitâ nonke nipêla enjengodonga oluzimkayo, enjengotângo oluwayo?
4 Bagqibe kwelokuba bamtyâle bamsuse ekupâkameni kwakê kupêle;
Bakôlene namanga,
Basikelela elowo ngomlomo, embîlinini yabo bayatshabisa. (Pâkamisani.)

Digitized by Google

5 Tôzamela ku-Tixo yedwa, mpêfumlo wam;
Ngokuba livela kuye itêmbâ lam.
6 Nguye kwapêla iliwa lam, umsindisi wam,
Ingxonde yam; andiyi kushukunyiswa.
7 Kuno-Tixo ukusindiswa kwam nozuko lwam;
Iliwa lokunqaba kwam nehlatî lam liku-Tixo.
8 Kôlosani ngaye ngamaxesha onke, nina bantu;
Pâlazani intliziyo yenu pâmbî kwakê,
U-Tixo ulihlatî kutî. (Pâkamisani.)
9 Bangumpûnga kwapêla onyana boluntu, ngamanga onyana bamadoda;
E-skalini bangenyuka,
Bangumpûnga bepêlele.
10 Musan' ukukôlosa ngokudl'abantu;
Ningazenzi into engeyanto ngento exâkamfulweyo.
Yakwanda imfuyo, musan' ukuyinyamekela.
11 Utêtê nto nye u-Tixo,
Ezizinto zombîni ndizivile;
Ukuba amandla ngaka-Tixo,
12 Nenceba yeyakô, Nkosi yam;
Ngokuba ubabuyekeza elowo ngokwezenzo zakê.

Umhobe ka-Davide: oko ebe sentlango yakwa-Yuda.

63 Tixo, ungu-Tixo wam, ndiya kukufuna kwakusasa,
Umpêfumlo wam unxanele wena; inyama yam iyakulangazelela
Ezweni elingumqwebedu, elibafileyo, elinge namanzi.
2 Ndenje njalo ukukângela kuwe engcweleni,
Ukuba ndibone amandla akô nobuqaqauli bako.
3 Ngokuba inceba yakô ilungile ngapêzu kobomi,
Umlomo wam uya kukuncoma.
4 Ndiya kwenje njalo ukukubonga logama ndihleliyo,
Ndipâkamise izandla zam egameni lakô.
5 Umpêfumlo wam uhluti umongo namanqatâ;
Ngemilebe yomlomo wam omemelelayo uya kukudumisa umlomo wam.
6 Ndakukukûmbûla emandlalweni wam,
Emilindweni yobusuku ndicamanga ngawe.
7 Ngokuba uluncedo kum,
Ndinokumemelela esitûnzini samapiko akô.
8 Umpêfumlo wam utêne-mbênde nawe;
Isandla sakô sokunene sindibambîle.
9 Ke bona bafuna umpêfumlo wam ukuze batshabalale,
Baya kutshona kwezisezantsi indawo zomhlaba.
10 Bapâlazelwa emandleni erele;
Baba sisabelo sempungutye.
11 Ke yena ukumkani uya kuvuya ngo-Tixo;
Baya kuqâyisa abo bonke bafunga yena;
Ngokuba uya kuvingcwa umlomo wabatêtâ ubuxoki.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

64 Live, Tixo, izwi lam ekukâlazeni kwam;
Ekunkwantyiseni kotshaba bulondoloze ubomi bam;
2 Ndisitêlise egquguleni laba nobubi,
Ehlokondibeni labasebenzi bobutshinga,
3 Abalulola njengerele ulwimi lwabo,
Abaxuna intolo zabo, amazwi arara,
4 Bamtole ogqibeleleyo besentsitêlweni;
Bamtola ngesiqupê, bangoyiki.
5 Bazomelezela ilizwi elibi,
Bagqiba kwelokuba bafihle izifintyelo,
Batî, Singabonwa ngubanina?
6 Baceba ubugqwetâ;
Baligqibile icebo abalicebileyo;
Imbîlini yendoda nentliziyo yayo yinzulu.
7 Ke u-Tixo uyabatola ngotolo;
Amanxeba abo abakô ngesiqupê.
8 Baya kukûtyekiswa, lufikele kwa bona ulwimi lwabo;
Bayahlunguzela intloko bonke ababa bonayo;
9 Basuke boyike bonke abantu,
Bawuxele umsebenzi ka-Tixo,
Basiqiqe isenzo sakê;
10 Liya kuvuya ilungisa ngo-Yehova, lizimele ngaye,
Baqâyise bonke abantliziyo zitê-tye.

Digitized by Google

Kumongameli. Umhobe ka-Davide. Ingoma.

65 Ukutôzama kuyindumiso kuwe,
Tixo, e-Tsiyon;
Sizaliswa kuwe isibâmbâtiso.
2 Wena mpûlapûli wemitândazo,
Iza kuwe inyama yonke.
3 Zindoyisile-nje indawo zobugwenxa:
Uŕeqo lwetu uyaluxolela wena ngocamagushelo,
4 Hayi uyolo lomnyulayo, umsondeze
Ukuba ahlale ezintendelezweni zakô!
Siya kuzihlutisa ngokulunga kwendlu yakô,
Kwe-tempile yakô engcwele.
5 Usipêndula ngezenzo ezoyikekayo zobulungisa,
Tixo osisindisayo;
Nkoloseko yezipêlo zonke zomhlaba,
neyolwandle olukude,
6 Ulozinzisa intaba ngamandla akê,
Ebînqe ubugôra,
7 Ulodambisa ukugquma kwelwandle,
ukugquma kwamaza azo,
Nokuxokozela kwezizwe.
8 Bayayoyika imiqondiso yakô abemi bezipêlo zomhlaba.
Umemelelisa ukuvela kokusa nokuhlwa.
9 Uwuvelele umhlaba, wawunyêla,
Wawutyebisa kakûlu.
Umjelo ka-Tixo uzele ngamanzi:
Walungisa inqôlowa yabo, ngokuba uwenje-nje ukuwulungisa.
10 Useza ihlutê imisele yalo;
Unyakamisa imiqela yalo.
Utâmbisa ngezipângo;
Usikelela izilimo zalo.
11 Uwutwêsile umnyaka wokulunga kwakô,
Imikôndo yakô itsitsa ukutyeba,
12 Ayatsitsa amaŕiwa entlango,
Induli zizibînqise umgcobo.
13 Amadlelo anxibe imihlambi yenkomo.
Intili zambêtê inqôlowa;
Yonke into iyaduma, yonke into iyavuma.

Kumongameli. Ingoma. Umhobe.

66 Dumani ku-Tixo, mhlaba wonke,
2 Lubetêleni uhadi uzuko lwegama lakê,
Mzukiseni, mdumiseni.
3 Yitîni ku-Tixo, Hayi ukoyikeka kwemisebenzi yakô;
Ngenxa yobuninzi bamandla akô ziya kuhanahanisa kuwe intshaba zakô.
4 Wonke umhlaba uya kuqubuda kuwe,
Bakubetêle uhadi;
Balibetêle uhadi igama lakô.
(Pâkamisani.)
5 Yizani, nibone imisebenzi emikûlu ka-Tixo,
Engowoyikekayo ekwenzeni kwakê konyana baka-Adam.
6 Waluguqula ulwandle lwayinto eyomileyo;
Bawuwela umlambô ngenyawo;
Apô savuya ngaye.
7 Ulolaula ngobugoŕa bakê ngonapâkade,
Amehlo akê ayabonisela ezintlangeni;
Abazinjubaqâ mabangazipâkamisi.
(Pâkamisani.)
8 Mbongeni, zizwe, u-Tixo wetû,
Nivakalise izwi lendumiso yakê.
9 Ulomisa umpêfumlo wetû ebomini,
Akalunikela unyawo lwetû ekutyibilikeni.
10 Ngokuba usicikidile, Tixo;
Usinyibilikisile njengokunyibilikiswa kwe-silvere;
11 Usingenise embôniselweni;
Ubeke uxinzelelo esinqeni setû;
12 Ukwêlise abantu entloko yetû;
Singene emlilweni nasemanzini;
Waza wasikûpela endaweni enendyebo.
13 Ndiya kungena endlwini yakô ndinamadini anyukayo;
Ndiya kuzizalisa kuwe izibâmbâtiso zam,
14 Eyazivulelayo imilebe yomlomo wam,
Owazitêtâyo umlomo wam ekubandezelweni kwam.
15 Ndiya kunyusela kuwe amadini anyukayo emvana ezityebileyo,
Ndawo-nye nesiqûmiso senkunzi zegusha.
Ndiya kwenza awenkomo ndawo-nye nawenkunzi ze-bôkwe. (Pâkamisani.)
16 Yizani, nive, ndinixelele, nonke nina bamoyikayo u-Tixo,
Oko akwenzele umpêfumlo wam.
17 Ndadanduluka kuye ngomlomo wam;
Kwaye ukubonga kupântsi kolwimi lwam.

Digitized by Google

18 Ukuba bendisekeleze ubutshinga ngentliziyo yam,
I-Nkosi yam ibingayi kupûlapûla.
19 Hayi-ke, u-Tîxo upûlapûle,
Ulibazele indlebe izwi lomtândazo wam.
20 Makabongwe u-Tîxo,
Yena ungawugxotânga umtândazo wam,
Nobubele bakê kum.

Kumongameli; eyokubetêlwa ngezinto ezinentambo. Umhobe. Ingoma.

67 Ngamana u-Tixo wasibabala, wasisikelela,
Wabukânyisa ubuso bake kutî;
(Pâkamisani.)
2 Ukuze yaziwe emhlabeni indlela yakô,
Usindiso lwakô ezintlangeni zonke.
3 Ngamana zabulela izizwe kuwe, Tîxo;
Zabulela izizwe kuwe zonke zipêla.
4 Zavuya zamemelela izizwe:
Ngokuba uya kugweba pâkatî kwezizwe ngokutê-tye,
Uzikâpê izizwe emhlabeni.
(Pâkamisani.)
5 Ngamana zabulela izizwe kuwe, Tîxo,
Zabulela izizwe kuwe zonke zipêla.
6 Umhlaba uyivelisile indyebo yawo,
Uya kusisikelela u-Tîxo, u-Tîxo wetû;
7 Uya kusisikelela u-Tîxo;
Zimoyike zonke izipêlo zomhlaba.

Kumongameli; eka-Davide. Umhobe. Ingoma.

68 Makasuk'eme u-Tîxo, zibe zintsali intshaba zakê;
Basabe ebusweni bakê abamtîyayo.
2 Njengokupêtshetwa komsi bapêpête;
Njengokunyibilika komtwebeba pâmbî komlilo
Mabadake ngokunjalo abangendawo ebusweni buka-Tixo.
3 Ke wona amalungisa makavuye, adlamke pâmbî ko-Tîxo,
Abe nemihlali nemivuyo.
4 Vumani ku-Tîxo, libetêleni uhadi igama lakê;
Menzeleni umendo opâkamileyo ulokwela ecanda ezinqantosini;
Ogama lakê lingu-Yehova; nidlamke pâmbî kwakê.

5 Uyise wenkedama, umtêtêleli wabahlolokazi
Ngu-Tîxo ekâya lakê elingcwele.
6 U-Tîxo nguhlalis' endlwini abebebodwa;
Ngukûpêla enywêbeni ababanjiweyo;
Ngabazinjubaqâ bodwa abahlala kwelibalelelweyo.

7 Tîxo, ekupûmeni kwakô upâmbî kwabantu bakô,
Ekunyatêleni kwakô enkangala,
(Pâkamisani.)
8 Wanyikima umhlaba,
Avuza amazulu ebusweni buka-Tîxo,
I-Sinayi-leya ebusweni buka-Tîxo, u-Tîxo ka-Sirayeli.
9 Walitshiza ngemvula eninzi yesisa sakô, Tîxo, ilifa lakô;
Lakubafa, walizimasa wena.
10 Wahlala kôna umhlambî wakô,
Wamlungisela olusizana ngokulunga kwakô, Tîxo.
11 I-Nkosi iya kukûpâ izwi elinamandla,
Ube mkûlu umkôsi wentokazi ezishumayela indaba ezilungileyo;
12 Okumkani bemikôsi baya kusaba besabile;
Intokazi esele ekâya iya kuwaba amaxôba.
13 Nakulala pântsi pâkatî kwentlanti,
Noxela amapîko ehobe alekwe ngesilvere,
Nentsiba zalo ezalekwe nge-golide ebengezelayo.
14 Ekubadubadubeni kuka-Somandla okumkani kulo,
Koba mhlopê ngokwekêpu e-Tsalimon.
15 Yintaba ka-Tîxo intaba yase-Bashan,
Yintaba encopo zininzi intaba yase-Bashan.
16 Niyigxeleshela-nina, zintaba zincopo zininzi,
Intaba ayinqweneleyo u-Tîxo ukuba ahlale kuyo?
Ewe, u-Yehova uya kuhlala kuyo ngonapâkade.
17 Inqwelo zokulwa zika-Tîxo zizigidi, ngamawakawaka;
I-Nkosi ikuzo; yi-Sinayi ebuncweleni.
18 Unyuke waya pêzulu, utîmbê abatînjwa,
Utâbatê izipô pâkatî kwabantu,

Digitized by Google

Napâkatî kwabazinjubaqâ, ukuba ahlale u-Yehova u-Tîxo kôna.

19 Mayibongwe i-Nkosi;
Itŵala imitŵalo yetû imihla ngemihla;
Ngu-Tîxo umsindisi wetû. (Pâkamisani.)
20 Yena u-Tîxo kutî ngu-Tîxo wosindiso,
Kokuka-Yehova, i-Nkosi yetû, ukukûpâ ekufeni.
21 Kodwa u-Tîxo uya kuyipâlusa intloko yentshaba zakê,
Nenesihlwitâ yohambâyo kwizigqito zake.
22 Yatî i-Nkosi, Ndiya kuzibuyisa e-Bashan,
Ndiya kuzibuyisa intshaba zakô enzulwini zolwandle;
23 Ukuze uzipâluse, unyawo lwakô lusegazini,
Nolwimi lwezinja zakô lube nesabelo salo ezintshabeni.
24 Bakubona ukunyatêla kwakô, Tîxo,
Ukunyatêla ko-Tîxo wam, ko-Kumkani wam, esebungcweleni.
25 Pâmbîli ngabavumi, ngasemva ngababetî bohadi,
Emacaleni zintombî ezibetâ ingqongqo.
26 Emabandleni bongani u-Tîxo,
I-Nkosi, nina basemtônjeni wakwa-Sirayeli.
27 Balapô o-Benyamin inci *yabo*, umpâtî wabo,
Abatêtêli bakwa-Yuda, ihlokondiba labo;
Abatêtêli bakwa-Zebulon, abatêtêli bakwa-Nafetali.
28 U-Tixo wakô wakuwisela umtêtô wokuba uqine:
Kuqinise, Tixo, oko usenzeleyo.
29 Bevela e-tempileni yakô eyongamele i-Yerusalem
Okumkani mabeze nezitâbatâba kuwe.
30 Kâlimela amafamncwa asengcongolweni,
Umhlambî wenkunzi ezizimbâlasane, kunye namatôle ezizwe,
Ukuze baziwise benezijungqe ze-silvere.
Wazibângisa izizwe eziyitândayo imfazwe.
31 Kovela amanono e-Yiputa;
U-Kushi wozolulela msinya izandla zakê ku-Tîxo.
32 Zikumkani zomhlaba, vumani ku-Tîxo,
Niyibetêle uhadi i-Nkosi; (Pâkamisani.)
33 Ekwêla icanda emazulwini awo amazulu amandulo;
Nanko ilikûpâ izwi layo, izwi elinamandla,
34 Mnikeni amandla u-Tîxo;
Bupêzu ko-Sirayeli ubungangamsha bakê;
Asesibâkabâkeni amandla akê.
35 Ulo-Tîxo woyikekayo ezingcweleni zakô.
Ulo-Tîxo ka-Sirayeli ubanikayo amandla nokomelela abantu.
Makabongwe u-Tîxo.

Kumongameli: ngeyenyibiba. Eka-Davide.

69 Ndisindise, Tîxo;
Ngokuba amanzi andifikele ada eza empêfumlweni.
2 Nditshonile eludakeni olunzulu, akukô kuma;
Ndingene embîtini onamanzi, umsinga uyandintywilisela.
3 Ndidiniwe kudanduluka; womile umqala wam;
Apêlile amehlo am; mna ndilindê ku-Tîxo.
4 Abanditîyayo ngelizé baninzi ngapêzu kwenwele zentloko yam;
Baninzi abandibângisayo, abazintshaba zam bexoka;
Into endingayipânganga batî mandiyibuyise.
5 Tîxo, wena uyakwazi ukumatâ kwam;
Namatyala am akanakugushwa kuwe.
6 Mabangadani ngam abakutêmbâyo, Nkosi yam, Yehova wemikôsi;
Mabangangcikivwa ngam abakufunayo, Tîxo ka-Sirayeli.
7 Ngokuba nditŵele ingcikivo ngenxa yakô;
Ihlazo libugqubutêle ubuso bam;
8 Ndingowasemzini kubazalwana bam;
Ndingowolunye uhlanga kubantwana bakamâ:
9 Ngokuba lindidlile ikŵele ngenxa yendlu yakô;
Ingcikivo zabakungcikivayo ziwe pêzu kwam.

Digitized by Google

10 Mna, umpêfumlo wam walila uzila ukudla;
Oko kwaba yingcikivo kum.
11 Ingubo zam zaba zezifwexayo;
Ndaba yinto yokuzekelisa kubo.
12 Batêtâ ngam abahleli esangweni;
Ndiyingoma yamanxila.
13 Ke mna, nditândaza kuwe, Yehova, ngexesha elikôlekileyo;
Tîxo ngobuninzi benceba yakô,
Ndipêndule ngenyaniso yosindiso lwakô;
14 Ndihlangule eludakeni, ndingatshoni;
Mandihlangulwe kwabanditîyayo naseminbîtini enamanzi.
15 Mawungandintywiliseli umsinga wamanzi;
Ingandiginyi inzulu;
Iqula malingandivingceli ngomlomo walo.
16 Ndipêndule, Yehova, ngokuba ilungile inceba yakô,
Ngangobuninzi bemfesane yakô ndibêke.
17 Mus'ukubusitêlisa ubuso bakô kumkônzi wakô,
Ngokuba ndibandezelekile; kâuleza undipêndule.
18 Sondela empêfumlweni wam, uwukûlule;
Ngenxa yentshaba zam ndikûlule.
19 Wena uyakwazi ukungcikivwa kwam, nokudaniswa kwam, nokuhlazwa kwam;
Bapâmbî kwakô bonke abandibandezelayo.
20 Ingcikivo yapûla intliziyo yam, ndapânts'ukufa;
Ndatêmbâ ukukûzwa, akwabikô;
Nokutûtûzelwa, andakufumana.
21 Ukudla bandinika inyongo;
Ekunxanweni kwam bandiseza i-asin.
22 Isitêbe sabo pâmbî kwabo masibe ngumgibe;
Sibe sisifintyelo kwaba nemasi.
23 Makabe mnyama amehlo abo, bangaboni;
Usigxadazelise isinge sabo amaxesha onke.
24 Bapâlazele ngobâvumo lwakô,
Kubafikele ukuvutâ komsindo wakô.
25 Inqîli yabo mayibe senkangala;
Ezin-tenteni zabo kungahlali mntu;
26 Ngokuba bayamsukela obetwe nguwe,
Bancokole ngomvandedwa wobahlabileyo wena.
27 Yongeza ubugwenxa ebugwenxeni babo,
Bangangeni ebulungiseni bakô.
28 Mabacinywe encwadini yobomi,
Bangabâlwa namalungisa.
29 Ke mna, ndilusizana, ndinomvandedwa;
Usindiso lwakô, Tîxo, malundise engxondeni.
30 Ndiya kulidumisa igama lika-Tîxo ngokuvuma;
Ndilikûlise ngokubulela.
31 Oko kuya kukôleka ku-Yehova ngapêzu kwenkunzi ezintsha,
Ezinempondo nempupû.
32 Bebona abalulamileyo, bovuya;
Nina bamfunayo u-Tîxo, intliziyo yenu mayipile.
33 Ngokuba u-Yehova uyaweva amahlwempu,
Akabadeli ababanjiweyo bakê.
34 Malimdumise izulu nomhlaba,
Ulwandle nento yonke enambuzelayo kulo:
35 Ngokuba u-Tîxo uya kuyisindisa i-Tsiyon, ayakê imizi yakwa-Yuda,
Bahlale kôna, bayime;
36 Ilidle ilifa imbêwu yabakônzi bakê;
Bahlale kuyo abalitândayo igama lakê.

Kumongameli; eka-Davido; eyokukumbuza.

70 Tîxo, kâuleza undihlangule;
Yehova, kâuleza undincede.
2 Mabadane babe nentloni abawufunayo umpêfumlo wam;
Mababuye umva bahlazeke abananze ukuba ndihlelwe bububi;
3 Mababuye ngenxa yomvuzo wedano labo
Abatî, Tshotsho! tshotsho!
4 Mababe nemihlali bavuye ngawe bonke abakufunayo,
Abalutândayo usindiso lwakô.
Mabahlale besitî, Makakûliswe u-Tîxo,
5 Ke mna, ndilusizana ndilihlwempu;
Tîxo, kâuleza uze kum.
Umncedi wam nomsindisi wam nguwe;
Yehova, mus'ukulibala.

Digitized by Google

71 Ndizimela ngawe, Yehova,
Mandingaze ndidane napakade;
2 Ngobulungisa bakô ndihlangule, ndisize;
Nditôbele indlebe yakô, undisindise.
3 Yiba liliwa elilikâya kum, ndize kulo ngamaxesha onke.
Uwise umtêtô wokuba ndisindiswe,
Ngokuba ingxondoŕa yam nembôniselo yam nguwe.
4 Tixo wam, ndisize esandleni songendawo,
Esandleni segqwetâ nesibôvubôvu.
5 Ngokuba ulitêmbâ lam, Nkosi yam, Yehova,
Inkoloseko yam kwasebuncinaneni bam.
6 Ndixâswe nguwe kwasesizalweni;
Nguwe owanditŷobozisayo ezibilinini zikamâ.
Indumiso yam ingawe ngamaxesha onke.
7 Ndinjengesimanga kwabaninzi;
Ke wena ulihlatî lam elinqabileyo.
8 Umlomo wam uya kuzala yindumiso yakô,
Sisihombô sakô imini yonke,
9 Mus'ukundilahla ngexesha lobuxêgo;
Mus'ukundishiya, akupêla amandla am:
10 Ngokuba zitêtâ ngam intshaba zam.
Abawulindayo umpêfumlo wam bayacebisana,
11 Besiti, U-Tixo umlahlile;
Msukeleni nimbambê, ngokuba akukô mhlanguli.
12 Tixo, mus'ukuba kude kum;
Tixo wam, kâuleza undincede.
13 Mabadane, bagqitywe abawucâsayo umpêfumlo wam,
Batîwe-wambû yingcikivo nehlazo abafuna ukuba ndihlelwe bububi.
14 Ke mna, ndiya kuhlala ndilindile,
Ndongeze endumisweni yakô yonke.
15 Umlomo wam uya kubalisa ngemisebenzi yobulungisa bakô,
Neyosindiso lwakô imini yonke, ngokuba ndingawazi amanani ayo.
16 Ndiya kuza nemisebenzi yobugoŕa beNkosi u-Yehova;
Ndiya kukânkanya ubulungisa bakô, bakô wedwa.
17 Tixo, undifundisile kwasebuncinaneni bam;
Unangoku ndiyayixela imisebenzi yakô ebalulekileyo.
18 Tixo, mus'ukundishiya kude kuye ebuxêgweni nasezimvini,
Ndide ndiyixele ingalo yakô kwisizukulwana *esitsha*,
Nobugoŕa bakô kubo bonke abaya kuza.
19 Tixo, ubulungisa bakô buye bafika pêzulu,
Wena, uzenzayo izinto ezinkulu,
Tixo, ngubanina onjengawe?
20 Wena usibonisileyo imbândezelo ezininzi ezinobubi,
Uya kubuya usipîlise,
Ubuye usiŕole ezinzonzobileni zamanzi omhlaba;
21 Uya kubandisa ubukûlu bam,
Ubuye wena unditûtûzele.
22 Ndiya kuyibulela nokuyibulela kuwe ngomŕubê
Inyaniso yakô, Tixo wam;
Ndiya kukubetêla uhadi,
Ngcwele ka-Sirayeli.
23 Uya kumemelela umlomo wam, ndakukubetêla uhadi,
Nompêfumlo wam owukûluleyo;
24 Nolwimi lwam luya kuxela ubulungisa bakô imini yonke.
Ngokuba bedanile benentloni abafuna ukuba ndihlelwe bububi.

Eka-Solomon.

72 Tixo, mnike ukumkani imigwebo yakô,
Mnike unyana wokumkani ubulungisa bakô;
2 Makagwebe ebantwini bakô ngobulungisa,
Nakwabazintsizana zakô ngokwesiko.
3 Intaba mazibatŵalele uxolo abantu,
Kwanenduli zibatŵalele ebulungiseni.
4 Makagwebe ityala labazintsizana ebantwini,
Asindise onyana bamahlwempu,
Abatyumze abacudisi.
5 Mabakoyike ukuhlala elihleliyo ilanga,
Kwa nenyanga, izizukulwana ngezizukulwana.
6 Makehle njengemvula ehla pêzu kotyani obusikwayo,
Njengezipângo, njengemvula ematôntsi makûlu, emhlabeni.

Digitized by Google

7 Malityatyambê ngemihla yakê ilungisa,
Nobuninzi boxolo, ide ingabi sabikô inyanga.
8 Makapâtè ubukôsi etâbatêla elwandle ase elwandle,
Etâbatêla kuwo um-Lambô ase ezipêlweni zomhlaba.
9 Baya kuguqa pâmbî kwakê abemi bomqwebedu,
Zikôte utûli intshaba zakê.
10 Okumkani base-Tarshishe nabeziqitî baya kunika iminikelo;
Okumkani bakwa-Sheba nabakwa-Seba baya kusondeza isitâbatâba.
11 Baqubude kuye bonke okumkani,
Zimkônze zonke intlanga;
12 Ngokuba uya kulihlangula ihlwempu elizibikayo,
Nabazintsizana abange naluncedo;
13 Abenzele inceba abasweleyo nabangamahlwempu;
Asindise imipêfumlo yamahlwempu.
14 Akûlule imipêfumlo yawo ekuxinezelweni nasekugonyamelweni:
Linqabile emehlweni akê igazi lawo.
15 Uya kupîla, anikwe i-golide yakwa-Sheba;
Bahlale bemtândazela;
Bamsikelele imini yonke.
16 Makubekô intabalala yenqôlowa ezweni, ise encotsheni yentaba;
Ukuqâma kwayo makufashaze njenge-Lebanon;
Mabatyatyambê emizini yabo njengemifuno yomhlaba.
17 Malibe ngunapâkade igama lakê;
Malivelise amagatya igama lakê pâmbî kwelanga.
Bazisikelele ngaye;
Mazitî zonke intlanga ungonoyolo.

18 Makabongwe u-Yehova u-Tîxo, u-Tîxo ka-Sirayeli,
Ulomenzi wemisebenzi ebalulekileyo yena yedwa.
19 Malisikelelwe igama lakê elizukileyo ngonapâkade;
Uzale wonke umhlaba luzuko lwakô.
Amen, amen.

20 Ipêlile imitandazo ka-Davide unyana ka-Yisayi.

Umhobe ka-Asafu.

73 Ulungile kwapêla u-Tîxo ku-Sirayeli,
Kwabantliziyo zinyulu.
2 Ke mna, bezipânts'ukumka inyawo zam;
Gcwizi ukutyibilika ukunyatêla kwam;
3 Ngokuba bendibamonela abaqâyisayo,
Ndakubona ukupûmelela kwabangendawo;
4 Ngokuba abanazintlungu ekufeni kwabo.
Bapîlile batyebile umzimbâ wabo;
5 Ebubini babantu' abakô bona;
Abakâtâzwa njengabanye abantu.
6 Ngako oko intamo yabo inxitywe iratshi;
Ukugonyamela kubatê-wambû ngokwengubo.
7 Amehlo abo avelile kutyeba;
Amabônga entliziyo zabo apûmela pândle.
8 Bahlalela ngentlambâ, batêtâ ngokubandezela, benobubi;
Batêtâ indumbîsa zamazwi,
9 Bawubeka ezulwini umlomo wabo;
Ulwimi lwabo luhambâ emhlabeni wonke.
10 Ngako oko abantu babo babuyela apâ;
Bafinca amanzi amaninzi.
11 Batî, Unokutî-nina ukwazi u-Tîxo?
Kukô ukwazi-na k-Osenyangweni?
12 Yabona, abangendawo abaya
Banokucûlumacâ ngonapâkade, bandile ngokutyeba.
13 Sifumane sayiqaqambîsa intliziyo yetû kanti,
Sazihlambâ izandla zetû ngokuba msulwa;
14 Ndakâlâzeka imini yonke,
Ukohlwaywa kwetû kwaba kokwemiso yonke.
15 Ukuba benditê, Ndiya kwenje njalo ukutêtâ,
Yabona, ngendinginizile kwisizukulwana sonyana bakô.
16 Ndatî-ke ndakucinga ukuba ndikwazi oko,
Kwayinkohla emehlweni am;
17 Ndada ndaya kungena ezingeweleni zika-Tîxo
Ndakugqala-ke ukupêla kwabo;
18 Inene, ubamise endaweni ezibutêlezi,
Wabawisa bayintshabalala.
19 Hayi ukupânziswa kwabo ngepânyazo;

Digitized by Google

Bapêlile, bagqityiwe kukwanqa.
20 Njengepûpa ekuqabukeni komntu,
Ekuvukeni kwakô, Nkosi, wowudela umfanekiso wabo.
21 Ukuba nditè ndabindeka intliziyo,
Ndahlabeka ezintsweni;
22 Ndoba-ke ndisityakala, ndinge nakwazi,
Ndoba-ke ndisisilo kuwe.
23 Mna-ke ndihlala ndinawe;
Undibambîle ngesandla sam sokunene;
24 Uya kundikâpâ ngecebo lakô;
Unditâbatè emveni koku ndibe nozuko.
25 Ndinabanina ezulwini?
Ukuba wena ungowam, andiwunanze nganto umhlaba.
26 Ingapêla inyama yam nentliziyo yam:
Iliwa lentliziyo yam nesabelo sam ngu-Tîxo ngonapâkade.
27 Ngokuba yabona, abanyawukileyo kuwe baya kudaka;
Uyababângisa bonke abahenyuzayo, bemke kuwe.
28 Mna-ke, ukusondela ku-Tîxo kulungile kum,
Ndiyenza ihlatî lam i-Nkosi u-Yehova,
Ukuze ndiyibalise yonke imisebenzi yakê.

Eyokuqiqa; oka-Asafu.

74 Yinina Tîxo, ukuba uhlale usihlambîle,
Uqûme umsindo wakô kwizimvu zedlelo lakô?
2 Likûmbûle ibandla lakô olitêngileyo kwakudala,
Olikûluleyo laba sisizwe selifa lakô;
Intaba yase-Tsiyon, ohleli kuyo.
3 Pâkamisa ukunyatêla kwakô ukuya kumanxuwa ahlala ehleli.
Utshaba luvivê into yonke engcweleni.
4 Babâfula ababandezeli bakô endaweni yokuhlangana pâkatî;
Bamisa eyabo imiqondiso yayiyo eyimiqondiso.
5 Kwanga kungenelwe
Intshinyela yemitî ngezixengxe.
6 Kungoku, uqoqo lwayo lonke
Balucanda ngamazembê nengxobonga.
7 Bayifaka umlilo ingcwele yakô;
Bawuhlambêla ngokuwuwisela emhlabeni umnquba wegama lakô.
8 Batî ezintliziyweni zabo, Siya kubanyanzelela pântsi kupêle;
Bazitshisile zonke indawo zika-Tîxo zokuhlangana ezweni apâ.
9 Imiqondiso yetû asiyiboni,
Akusekô mprofeti;
Kutî akukô waziyo ukuba koda kuse pîna kunjalo.
10 Kuninina, Tîxo, umbandezeli engcikiva?
Utshaba luhleli luligiba igama lakô?
11 Usifinyezele-nina isandla sakô, nesokunene sakô?
Sifole esifubeni sakô ulugqibe.

12 Ke u-Tixo ngu-Kumkani wam kwakumandulo,
Ulosebenza usindiso pâkatî komhlaba wonke.
13 Nguwe owahlula ulwandle ngamandla akô,
Owapûla intloko zengwenya emanzini.
14 Nguwe owaxâxâ intloko ze-Leviyatan,
Wazinika zakukudla kubantu, kubemi bomqwebedu.
15 Nguwe owagqoboza yayimitômbô, yayimilanjana;
Nguwe owomisa imilambô engomiyo;
16 Yeyakô imini, bobakô nobusuku;
Nguwe owalungisa ukukânya nelanga.
17 Nguwe owamisa yonke imida yomhlaba;
Ihlobo, nobusika, nguwe owazibumbâyo ezonto.
18 Kûmbûla oku, utshaba lungcikiva u-Yehova;
Abantu abanobudenge baligibile igama lakô.
19 Mus'ukuwunikela efamncweni umpêfumlo wezuba lakô;
Ungahlali uwulibele umhlambî wakô ozintsizana.
20 Bêka emnqopîsweni,
Ngokuba indawo ezimnyama zelizwe zizele zizindlu zogonyamelo.
21 Makangabuyi otyumkileyo ehlazisiwe;
Makalidumise igama lakô olusizana nolihlwempu.

Digitized by Google

22 Kâusuk'ume, Tîxo, ubambâne nababambêne nawe;
Kûmbûla ukukungcikiva kwesidenge yonke imini.
23 Mus'ukulilibala izwi lababahdezeli bakô,
Ukungxola kwabasukela pêzulu kuwe okuhlala kunyuka.

Kumongameli; ngeti, Ungonakalisi. Umhobe ka-Asafu. Ingoma.

75 Siyabulela kuwe, Tîxo, siyabulela;
Lisondele igama lakô;
Babalisa imisebenzi yakô ebalulekileyo.
2 Ngokuba utî, Ndiya kwenza ngexesha elimisiweyo,
Mna ndiya kugweba ngokutê-tye.
3 Uyetâ amandla umhlaba, nabemi bawo;
Ke mna, ndizizinzisile intsika zalo.
(Pâkamisani.)
4 Nditî kubaqâyisi, Musan' ukuqâyisa;
Nakwabangendawo, Musan' ukupâkamisa upôndo;
5 Musan' ukulupâkamisela pêzulu upôndo lwenu;
Ningatêtî ngokusa, nolule intamo.
6 Ngokuba uncedo aluveli empumalanga nasentshonalanga,
Nasentlango yentaba.
7 Hayi, ngu-Tîxo ogwebayo,
Uyamtôba lo, ampâkamise lowa.
8 Ngokuba indebe isesandleni sika-Yehova,
Ipûpûma igwebu le-wayini, izele yepîtikeziweyo;
Utûlula kuyo, ewe intlenga zayo
Ziya kuselwa zifincwe ngabangendawo bonke bomhlaba.
9 Ke mna, ndiya kushumayela ngonapâkade,
Ndiya kuvuma ku-Tîxo ka-Yakobi;
10 Zonke impondo zabangendawo ndiya kuzixakaxa,
Impondo zelungisa ziya kupâkanyiswa.

Kumongameli; eyokubetelwa ngezinto esinentambô. Umhobe ka-Asafu. Ingoma.

76 Waziwa kwa-Yuda u-Tîxo;
Likûlu kwa-Sirayeli igama lakê.
2 Umnquba wakê waba se-Salem,
Nekâya lakê se-Tsiyon.
3 Wayapûla apô imibane yesapêtâ,
Ingweletshetshe, nerele, nezixôbo zemfazwe. (Pâkamisani.)
4 Ukânyile, uyingangamsha ngapézu kwentaba zokuqwenga.
5 Babûnyulwe abantliziyo iyimbâlasane,
Balala umlala kanye,
Akazifumana izandla zawo onke amaroti.
6 Ekukâlimeni kwakô, Tîxo ka-Yakobi,
Kwasindwa butôngo inqwelo zokulwa namahashe.
7 Unguwena wena woyikekayo;
Ngubanina onokuma pâmbî kwakô, wakuba nomsindo?
8 Ezulwini usivakalisile isigwebo;
Woyika umhlaba, lazola,
9 Ekusukeni kuka-Tîxo ukuba agwebe,
Abasindise bonke abalulamileyo bomhlaba. (Pâkamisani.)
10 Ngokuba ubushushu bomntu buya kuba ngumbulelo kuwe;
Uya kuwabînqa amasalela obushushu.
11 Bâmbâtîsani nisizalise isibâmbâtîso ku-Yehova u-Tîxo wenu;
Bonke abamngqongileyo mabeze nezitâbatâba kofanele kukoyikwa.
12 Uya kunqumla ukufutâ kwengânga,
Uyoyikeka kokumkani bomhlaba.

Kumongameli. Ku-Yedutun. Eka-Asafu. Umhobe.

77 Izwi lam lisingisa ku-Tîxo, ndikâla;
Izwi lam lisingisa ku-Tîxo, ukuba andibekele indlebe.
2 Ngemini yokubandezelwa kwam ndiquqela e-Nkosini yam;
Isandla sam solukile ebusuku, asaqôba;
Awavuma ukutûtûzeleka umpêfumlo wam.
3 Ndikûmbûla u-Tîxo, ndincwine;
Nditêlekelele, utŷafe umoya wam.
(Pâkamisani.)
4 Uzibambîle inkôpê zamehlo am,
Ndikândiwe, andabi nakutêtâ.
5 Ndicinga ngemihla yamandulo,
Iminyaka yasepâkadeni;
6 Ndiya kukûmbûla ebusuku ukubetâ kwam uhadi;
Nditêtâ nentliziyo yam, upêngulula umoya wam.
7 Nditî, Iya kundihlambâ ngonapâkade-na i-Nkosi yam,

Digitized by Google

Ingabi sapinda ipâtê ngetatu-na?
8 Ipêle yapêla-na inceba yayo?
Sigqibele-na isitêmbiso *sayo* kwisizukulwana ngesizukulwana?
9 U-Tixo ukulibele-na ukubabala?
Uyivingcele ngomsindo kusinina imfesane yakê? (Pakamisani.)
10 Ndide nditi-ke, Sisifo sam esi;
Yiminyaka yesandla sokunene s-Osenyangweni.
11 Ndikânkanya izenzo ezincamisayo zika-Yehova;
Ngokuba ndikûmbûla imisebenzi yakô ebalulekileyo yamandulo.
12 Ndicamanga ngako konke ukusebenza kwakô,
Nditêlekelele ngezenzo zakô zonke ezincamisayo.
13 Tixo, isebungcweleni indlela yakô;
Ngubanina ongutixo omkûlu njengo-Tixo wetû?
14 Ungulo-Tixo, wenza ngokubalulekileyo;
Wawazisa amandla akô ezizweni.
15 Wabakûlula ngengalo abantu bakô,
Onyana baka-Yakobi no-Yosefu. (Pakamisani.)
16 Akubona amanzi, Tixo,
Akubona amanzi, azibijabija,
Ewe, agungqa amanzi enzonzobila;
17 Amafu angqingqwa apâlaza amanzi,
Isibâkabâka savakalisa isandi;
Ewe, intolo zakô zahambâhambâ.
18 Izwi lendudumo yakô labasesaqwitini,
Imibane yalikânyisa elimiweyo,
Wagungqa wanyikima umhlaba.
19 Yabaselwandle indlela yakô,
Nomkândlo wakô waba semanzini amaninzi,
Awaziwa umkôndo wakô.
20 Wabakôkela njengezimvu abantu bakô,
Ngesandla so-Moses no-Aron.

Eyokuqiqa ka-Asafu.

78 Wubekeleni indlebe umyalelo wam, bantu bakowetû,
Watôbeleni indlebe amazwi omlomo wam.
2 Ndiya kuwuvula umlomo wam ngomzekeliso;
Ndiya kumpompozisa intsonkotâ zamandulo.
3 Esakuvayo sakwazi,
Abasibaliselayo obawo.
4 Asiyi kukugusha konyana babo;
Sobalisela isizukulwana esizayo indumiso zika-Yehova,
Namandla akê nemisebenzi yakê ebalulekileyo awayenzayo.
5 Wamisa isinqiniso kwa-Yakobi,
Wabeka umyalelo kwa-Sirayeli,
Awawumisela obawo,
Ukuba bawazise onyana babo;
6 Ukuze siwazi isizukulwana esizayo, onyana abaza kuzalwa;
Basuke babalisele ababo onyana,
7 Banqolonce ngo-Tixo,
Bangazilibali izenzo ezincamisayo zika-Tixo,
Bayilondoloze imitêtô yakê:
8 Bangabi njengoyise,
Isizukulwana esiyinjubaqâ esinenkani, isizukulwana esingayilungisanga intliziyo yaso,
Esimoya unganyanisanga ku-Tixo.
9 Onyana baka-Efrayim, bexôbile, bezintoli ezinezapêtâ,
Bajika ngemini yemfazwe.
10 Abawugcinanga umnqopiso ka-Tixo,
Abavumanga ukuhambâ ngomyalelo wakê;
11 Bazilibala izenzo zakê ezincamisayo,
Nezibalulekileyo zakê awababonisayo.
12 Pâmbî koyise wenza ngokubalulekileyo,
Ezweni lama-Yiputa, emhlabeni wase-Tsohan.
13 Waludabula ulwandle, wabaweza,
Wawamisa amanzi njengemfumbâ.
14 Wabakâpâ ngelifu emini,
Ngokukânya komlilo ubusuku bonke.
15 Walicanda iliwa entlango,
Wabaseza amanzi anzongonzongo kakûlu,
16 Wavelisa imiqukuqela yamanzi engxondoteni,
Wahlisa amanzi njengemilambô.
17 Baqokela noko ukôna kuye,
Nokumpikisa Osenyangweni emqwebedini.
18 Bamlinga u-Tixo ngentliziyo yabo
Ngokuwubizela umpêfumlo wabo ukudla.
19 Batêtâ ngo-Tixo, bati,
Unako-na u-Tixo ukulungisa isitêbe entlango?

Digitized by Google

20 Yabona, walibetâ iliwa, abaleka amanzi,
Yakûkula nemilanjana,
Wobanakô-na nokubanika isonka,
Nokubalungiselela inyama abantu bakê?
21 Weva-ke u-Tîxo, wapûpûma umsindo wakê,
Watsha umlilo kwa-Yakobi,
Kwenyuka kwaya umsindo kwa-Sirayeli;
22 Ngokuba bengakôlwanga ku-Tîxo,
Bengakôlosanga ngosindiso lwakê.
23 Waziwisela-ke umtêtô ingqimbâ zamafu ngapêzulu,
Wazivula ingcango zezulu;
24 Wabanisela nge-mana ukuze badle,
Wabanika inqôlowa yasezulwini.
25 Umntu wadla isonka sonamandla;
Wabatûmela umpâko bada badikwa.
26 Wandululula umoya wasempumalanga ezulwini,
Wawuqûba ngamandla akê umoya wase-Zantsi.
27 Wabanisela inyama njengotûli,
Nentaka ezinamapîko njengentlabati yolwandle;
28 Yawa pakati kweminquba yabo,
Ngenxa zonke emakâya abo.
29 Badla bahlutâ kakûlu,
Wabazisela-ke inkanuko yabo.
30 Bengekashenxi enkanukweni yabo,
Kusekô ukudla kwabo emlonyeni wabo:
31 Kwenyuka umsindo ka-Tîxo waya kubo,
Wabulala pâkatî kwabatyebileyo babo,
Wawawisa amadodana akwa-Sirayeli.
32 Kuyo yonke lonto bahambîsa ngokôna,
Abakôlwa yimisebenzi yakê ebalulekileyo.
33 Wayipêlisa-ke imihla yabo njengompûnga,
Neminyaka yabo ngokukwanqisa.
34 Xa watî wababulala, bamfuna;
Babuya bamfuna u-Tixo ngenyameko,
35 Bakûmbûla ukuba u-Tîxo liliwa labo,
U-Tixo Osenyangweni ngumkûluli wabo.
36 Ke bamtômalalisa ngomlomo wabo,
Bamxokisa ngolwini lwabo,
37 Intliziyo yabo ayaqina kuye,
Abanyaniseka emnqopîsweni wakê.
38 Ke yena unemfesane,
Uxolela ubugwenxa ngocamagushelo, akonakalisi;
Wawubuyisa futi umsindo wakê,
Akabuxôxâ bonke ubushushu bakê.
39 Wakûmbûla ukuba bayinyama,
Bangumoya omkayo ongabuyiyo.
40 Kukangapî bempîkisa entlango,
Bemenza buhlungu enkangala!
41 Babuya bamlinga u-Tîxo,
Bamcubunga Oyingcwele wakwa-Sirayeli.
42 Abasikûmbûla isandla sakê,
Imini awabakûlula ngayo embândezelweni,
43 Awamisa ngayo imiqondiso yakê e-Yiputa,
Nezimanga zakê emhlabeni wase-Tsohan;
44 Wayiguqula imijelo yabo, yaba ligazi,
Ababi nakuyisela imiqukuqela yabo yamanzi.
45 Watûmela kubo ingcongconi, zabadla;
Namasele, abatshabalalisa.
46 Izilimo zabo wazinika inkumbî ezinqunqutâyo,
Ukuxelanga kwabo wakunika inkumbî ezandayo;
47 Wawubulala ngesicôtô um-diliya wabo,
Nemitômbê yabo ngomkênce;
48 Wayivingcela ngesicôtô imfuyo yabo,
Nemihlambî yabo ngemibane.
49 Watûmela kubo ukuvutâ komsindo wakê,
Ukupûpûma kwawo, nokubâvuma, nembândezelo,
Ibutô lezitûnywa zobubi;
50 Wawulungelelanisela umendo umsindo wakê,
Akawunqanda ekufeni umpêfumlo wabo,
Wabuvingcela ubomi babo ngendyikitya yokufa.
51 Wababulala bonke abamazibulo e-Yiputa,
Intlahlela zamandla obudoda ezintenteni zakwa-Ham.
52 Abantu bakê wabafudusa njengezimvu,
Wabaqûba njengomhlambî entlango;
53 Wabakâpâ bekôlosile bengankwantyi;

Digitized by Google

Ke zona intshaba zabo lwazigubungela ulwandle.
54 Wabazisa emdeni wakê ongcwele,
Kulentaba sayizuzayo isandla sakê sokunene.
55 Wagxotâ intlanga ebusweni babo;
Wazenzela amaqashiso zalilifa elicandiweyo,
Izizwe zakwa-Sirayeli wazihlalisa ezin-tenteni zazo.
56 Kodwa bamlinga bampîkisa u-Tîxo Osenyangweni,
Abazigcina izinqîniso zakê.
57 Babuya umva, banginiza njengoyise,
Bajika njengesapêta esikohlisayo.
58 Bamqumbîsa ngezigānga zabo;
Bamkŵeletisa ngemifanekiso yabo eqingqiweyo.
59 Weva u-Tîxo, wapûpûma umsindo,
Wawacekisa kakûlu ama-Sirayeli;
60 Wawulahla umnquba wase-Shilo,
In-tente abeyimise esintwini;
61 Wawanikela ekutînjweni amandla akê,
Isihombô sakê esandleni sombandezeli.
62 Wabavingcela abantu bakê ngeŕele,
Umsindo wakê wapûpûmela ilifa lakê.
63 Amadodana abo adliwa ngumlilo,
Intombî zabo azagcotyelwa.
64 Abenzeleleli [1] babo bawa ngeŕele,
Abahlolokazi babo abalila.
65 Yaza yavuka njengobelele i-Nkosi,
Njengegoŕa elimemeleliswa yi-wayini;
66 Yababetâ ngasemva ababandezeli bayo,
Yabenza ingcikivo engunapâkade.
67 Yayicekisa in-tente yakwa-Yosefu,
Ayasinyula isizwe sakwa-Efrayim.
68 Yanyula isizwe sakwa-Yuda,
Intaba yase-Tsiyon eyayitândayo.
69 Yayakâ njengokupâkama kwezulu ingcwele yakê,
Njengomhlaba-lo awusekileyo ngonapâkade.
70 Yanyula u-Davide umkônzi wayo,
Yamtâbatâ ezibayeni zezimvu;
71 Yamtâbatâ elandela izimvu ezanyisayo,
Yamzisa ukuba alûse kwa-Yakobi abantu bayo,
Kwa-Sirayeli ilifa layo.
72 Wabalûsa-ke ngengqibelelo yentliziyo yakê,
Wabakâpâ ngokwazi kwezandla zakê.

[1] **Ababingeleli kwi-Test. entsha, ngokunye aba-priste.**

Umhobe ka-Asafu.

79 Tîxo, intlanga zingene elifeni lakô,
Ziyenze inqambî i-tempile yakô engcwele;
Ziyenze imiwewe i-Yerusalem.
2 Izidûmbû zabakônzi bakô zizinike intaka zezulu ukuba zizidle,
Nenyama yabakô benceba ziyinike amaŕamncwa elizwe.
3 Zilipâlazile igazi labo njengamanzi ngenxa zonke e-Yerusalem;
Akwabikô mncŵabi.
4 Senziwe ingcikivo kubamelwane betû,
Isigculelo nesicukucezo kwabasingqongileyo.
5 Kuninina, Yehova, uhleli uqumbîle;
Liya kuvutâ njengomlilo-na ikŵele lakô?
6 Pâlaza ubushushu bakô ezintlangeni ezingakwaziyo,
Ezikumkanini ezingalinquliyo igama lakô.
7 Ngokuba zimdlile ù-Yakobi;
Zalenza inxuwa ikâya lakê.
8 Mus' ukubukûmbûla kutî ubugwenxa bamanyange etû,
Mayinxâme isikâulele imfesane yakô:
Ngokuba siswele kakûlu.
9 Sincede, Tîxo ongumsindisi wetû,
ngenxa yozuko lwegama lakô,
Usihlangule, uzixolele ngocamagushelo izono zetû ngenxa yegama lakô.
10 Yinina ukuba intlanga zitî kutî, Upîna u-Tîxo wabo?
Makwazeke ezintlangeni emehlweni etû
Ukupîndezelwa kwegazi labakônzi bakô elipâlaziweyo.
11 Makuze pâmbî kwakô ukugcuma kwamakônxwa;
Ngokobukûlu bengalo yakô basalise onyana bokufa.
12 Uyibuyisele kubamelwane betû kasixênxe esondweni lengubo yabo
Ingcikivo yabo, abakungcikive ngayo, Nkosi.
13 Ke tîna bantu bakô, zimvu zalûswa nguwe,
Siya kubulela kuwe ngonapâkade;

Digitized by Google

Sibalise ngendumiso yakô kwizizukulwana ngezizukulwana.

Kumongameli; ngeyenyibiba ezinqinisayo. Ka-Asafu. Umhobe.

80 Ulomalûsi ka-Sirayeli, bek' indlebe,
Uloqûba u-Yosefu njengezimvu,
Ulohlala ezi-kerubini, bengezela.
2 Pâmbî ko-Efrayim no-Benyamin no-Manase
Vusa ubugoŕa bakô;
Uze kusisindisa;
3 Tîxo, sibuyise,
Ukânyise ubuso bakô, sisindiswe.

4 Yehova, Tîxo wemikôsi,
Kuninina uqûma umsindo wakô ekutândazeni kwabantu bakô?
5 Ubadlisa isonka senyembêzi,
Wabaseza inyembêzi ngemilinganiso.
6 Usenzê into abaxabana ngayo abamelwane betû;
Intshaba zetû ziyasigculela.
7 Tîxo wemikôsi, sibuyise,
Ukânyise ubuso bakô, sisindiswe.

8 Wanyotûla um-diliya e-Yiputa,
Wagxotâ intlanga, wawutyala;
9 Wahlahla pâmbî kwawo,
Wendelisa ingcambû, wazalisa ilizwe.
10 Zagutyungelwa intaba ngumtûnzi wawo,
Nemi-sedare ka-Tîxo ngamasebe awo.
11 Wasa amasebe awo elwandle,
Namagatya awo kuwo um-Lambô.
12 Uzityôbozele-nina intango zawo,
Bawukê bonke abadlula ngendlela?
13 Ingulube yasehlatîni iyawubûqa,
Nento edakasa endle iyawudla.
14 Tîxo wemikôsi, kâubuye,
Uqondele usezulwini, ubone,
Uwuvelele lom-diliya.
15 Uyikûsele into esiyityeleyo isandla sakô sokunene,
Unyana lo uzizimaseleyo ngokwakô.
16 Utshisiwe ngumlilo, uhlahliwe;
Bayadaka ngokusongela kobuso bakô.
17 Isandla sakô masibe pêzu komfo wesandla sakô sokunene,
Pêzu konyana ka-Adam, ozizimaseleyo ngokwakô.
18 Asiyi kumka kuwe;
Sipîlise, sinqule igama lakô.
19 Yehova, Tîxo wemikôsi, sibuyise,
Ukânyise ubuso bakô, sisindiswe.

Kumongameli; ngolwase-Gati. Ka-Asafu.

81 Memelelani ku-Tîxo, igwiba letû,
Dumani ku-Tîxo ka-Yakobi.
2 Hlabani ingoma, nibetê ingqongqo,
Uhadi olumnandi kunye nomfubê.
3 Vutêlani isigodlo ukutwasa kwenyanga,
Nokuhlangaha kwenyanga, ngemini yomtêndeleko wetû.
4 Ngokuba ngummiselo-lowo ku-Sirayeli,
Lisiko lika-Tîxo ka-Yakobi.
5 Sinqîniso awasimisayo kwa-Yosefu,
Ekucandeni kwakê ezweni lase-Yiputa;
Ndeva intetô endingayaziyo.
6 Ndawususa umtwalo egxalabeni lakê;
Izandla zakê zasuka ezingobozini zokutwala.
7 Embândezelweni wadanduluka wena, ndakuhlangula;
Ndakupêndula esitêni lendudumo,
Ndakuvavanya emanzini ase-Meriba. (Pákamisani.)
8 Ndatî, Yivani, bantu bam, ndiqononondise kuni;
Sirayeli, ukuba unokupûlapûla kum!
9 Makungabikô tîxo wasemzini kuwe;
Ungaqubudi kutîxo wolunye uhlanga.
10 Ndim u-Yehova u-Tîxo wakô,
Okunyusileyo elizweni lase-Yiputa.
Yakâmisa, ndiwuzalise umlomo wakô.
11 Ke abantu bam abaliva izwi lam,
U-Sirayeli akandivumanga.
12 Ndabanikela ebunqôleni bentliziyo zabo;
Bahambâ ngawabo amaqinga.
13 Akwaba abantu bam babendiva,
Akaba u-Sirayeli ubehambâ ngendlela yam!
14 Bendiya kuzitôba kamsinya intshaba zabo,
Ndisibuyisele pêzu kwababandezeli babo isandla sam.
15 Abamtîyayo u-Yehova bebeya kulanahanisa kuye,
Libe ngunapâkade ixesha labo.
16 Bendiya kubadlisa inqôlowa etyebileyo,
Ndibahlutise ngobusi etsilini.

Digitized by Google

Umhobe ka-Asafu.

82 U-Tixo umi ebandleni lika-Tixo,
Ugweba pakati kotixo, uti,
2 Kuninina nigweba ngobugqwetâ,
Nibanonelela abangendawo?
(Pâkamisani.)
3 Tetâni ityala losweleyo nelenkedama;
Gwebelani olusizana nolihlwempu.
4 Sizani osweleyo nolihlwempu;
Bahlanguleni esandleni sabangendawo.
5 Abazi, abaqondi,
Bahambâhambâ emnyameni;
Ziyashukuma zonke iziseko zomhlaba.
6 Nditê mna, Ningotixo,
Ningonyana b-Osenyangweni nonke nipêla.
7 Noko niya kufa njengomntu,
Niwe njengomnye kubatêtêli.
8 Kausuk'ume, Tixo, gweba emhlabeni;
Ngokuba uya kuzidla ilifa wena zonke intlanga.

Ingoma. Umhobe ka-Asafu.

83 Tixo, mus' ukuti-cwaka,
Mus' ukuti-tu, mus' ukuzola, Tixo.
2 Ngokuba nanzo intshaba zakô zixokozela;
Abakutiyayo bapâkamisa intloko.
3 Bagqugula igqugula elinobuqôpôlolo ngabantu bakô;
Bacebisane ngabagushiweyo nguwe.
4 Bati, Yizani sibetê be-shwaka bangabi luhlanga,
Lingabi sakûnjulwa igama lika-Sirayeli.
5 Ngokuba bacebisana ngantliziyo nye,
Benza umnqopiso ngawe:
6 In-tente zakwa-Edom nezakwa-Ishmayeli,
Ama-Mowabi nama-Hagari,
7 Ama-Gebali nama-Amon nama-Amaleki,
Ama-Filisti kunye nabemi base-Tire;
8 Nama-Asuri atêlele kubo,
Baba yingalo konyana baka-Lote.
(Pâkamisani.)
9 Yenza kubo njengoko wenza ngako kuma-Midiyan,
Naku-Sisera, naku-Yabin esihlanjeni se-Kishon:
10 Batshabalala e-Endore,
Baba ngumgquba wokugalelwa emhlabeni.
11 Benze bona amanene abo-ke, babe njengo-Orebe nanjengo-Zebe;
Zonke inkosi zabo zibe njengo-Zeba nanjengo-Tsalimuna;
12 Bona bati,
Masiwahlute abe ngawetû amakâya ka-Tixo.
13 Tixo wam, benze babe njengesaqwitî,
Njengomququ pâmbî komoya.
14 Njengomlilo odla ihlatî,
Njengedangatye lilenya intaba;
15 Yenje njalo ukubasukela ngoqwitêla lwakô,
Ubakwanqise ngomoya wakô ovutûzayo.
16 Buzalise ubuso babo ngehlazo,
Balifune igama lakô, Yehova.
17 Mabadane bakwanqiswe ngonapâkade,
Babe nentloni, badake;
18 Bazi, ukuba wena ugama lingu-Yehova, unguwe wedwa
Usenyangweni pêzu komhlaba wonke.

Kumongameli; ngolwase-Gati. Eyonyana baka-Kora. Umhobe.

84 Hayi ukutândeka kweminquba yakô,
Yehova wemikôsi!
2 Umpêfumlo wam ulangazelela, uyapêla kulangazelela intendelezo zika-Yehova;
Intliziyo yam nenyama yam imemelela ku-Tixo opilileyo.
3 Intakana-le ifumene ikâya,
Inkonjane izifumanele indlu,
Apô izalela kôna amatôle ayo,
Izibingelelo zakô, Yehova wemikôsi,
Kumkani wam, Tixo wam.
4 Hayi uyolo lwabahlal' endlwini yakô!
Basakukudumisa. (Pâkamisani.)
5 Hayi uyolo lwabantu abamandla akuwe,
Abakûmbûla umendo *oya e-Tsiyon!*
6 Bepûmela entilini yemiti ye-Baka,
Bayenze ibe nemitômbô;
Ewe, imvula iyitî-wambû ngentsikelelo.
7 Baya besomelela ngokomelela,
Babonakala pâmbî ko-Tixo e-Tsiyon,
bati,

Digitized by Google

8 Yehova, Tîxo wemikôsi,
Wuve umtândazo wam,
Wubekele indlebe, Tîxo ka-Yakobi.
(Pâkamisani.)
9 Kângela, Tîxo, ngweletshetshe yetû,
Ubukângele ubuso bomtânjiswa wakô.
10 Ngokuba imini enye ezintendelezweni zakô ilungile kunewaka;
Ndinyulē ukuba semnyango endlwini ka-Tîxo wam,
Kunokuhlala ngapâkatî kwen-tente zokungendawo.
11 Ngokuba ulilanga uyingweletshetshe u-Yehova u-Tîxo,
U-Yehova uyababala azukise;
Abahambâ ngokugqibeleleyo akabavimbî nto ilungileyo.
12 Yehova wemikôsi,
Hayi uyolo lomntu okôlose ngawe!

Kumongameli; eyonyana baka-Kora. Umhobe.

85 Yehova, wabunetafu kwilizwe lakô,
Ububuyisa abatînjwa baka-Yakobi;
2 Ububuxolela ubugwenxa babantu bakô,
Ubuziselela zonke izono zabo.
(Pâkamisani.)
3 Ubuwufinyeza umsindo wakô opûpûmayo,
Ububuya ekuvutêni komsindo wakô.
4 Sibuyise, Tîxo ongumsindisi wetû,
Uyisuse ingqumbô yakô kutî.
5 Uya kusiqumbêla ngonapâkade-na?
Umsindo wakô uya kuwolulela kwizizukulwana ngezizukulwana-na?
6 Akuyi kubuye usipîlise-na,
Abantu bakô bavuye ngawe?
7 Sibonise inceba yakô, Yehova,
Sipê usindiso lwakô.
8 Mandive aya kukutêtâ u-Tîxo, u-Yehova;
Hayi, utêtâ uxolo kubantu bakê nakwabakê benceba;
Mabangabuyeli-ke ekunyabeni kwabo.
9 Inene, usindiso lwakê lusondele kwabamoyikayo,
Ukuze luhlale uzuko ezweni lakowetû.
10 Kuya kuqubisana inceba nenyaniso,
Kuya kwangana ubulungisa noxolo.
11 Inyaniso iya kuntshula emhlabeni,
Ubulungisa buqondele busezulwini.
12 Kananjalo u-Yehova uya kusinika okulungileyo,
Ilizwe letû lisinike indyebo yalo.
13 Ubulungisa buya kuhambâ pâmbî kwakê,
Buyigqale ngentliziyo indlela yokunyatêla kwakê.

Untândazo ka-Davide.

86 Tôba indlebe yakô, Yehova, ndipêndule,
Ngokuba ndilusizana ndilihlwempu.
2 Wugcine umpêfumlo wam, ngokuba ndingowenceba;
Msindise, wena Tîxo wam, umkônzi wakô,
Lo ukôlose ngawe.
3 Ndibabale, Nkosi yam,
Ngokuba ndidanduluka kuwe yonke imini.
4 Wuvuyise umpêfumlo womkônzi wakô,
Ngokuba umpêfumlo wam ndiwupâkamisela kuwe, Nkosi yam;
5 Ngokuba ulungile wena, Nkosi yam, uxolela,
Umkûlu ngenceba kubo bonke abanqula wena.
6 Wubekele indlebe umtândazo wam, Yehova,
Ulibazele indlebe izwi lokutafuzisa kwam.
7 Ngemini yokubandezelwa kwam ndinqula wena,
Ngokuba uya kundipêndula.
8 Akukô unjengawe, Nkosi yam, pâkatî kotîxo;
Akukô zenzo zinjengezakô.
9 Zonke intlanga owazenzayo ziya kuza ziqubude pâmbî kwakô, Nkosi yam,
Zizukise igama lakô.
10 Ngokuba umkûlu, wenza imisebenzi ebalulekileyo,
Ungu-Tîxo wena wedwa.
11 Ndiyalele, Yehova, indlela yakô,
Ndihambê ngenyaniso yakô;
Yibandakanye intliziyo yam ukuba ndiloyike igama lakô.
12 Ndiya kubulela kuwe, Nkosi yam, Tîxo wam, ngentliziyo yonke,
Ndilizukise igama lakô ngonapâkade:
13 Ngokuba inceba yakô ibe nkulu kum,
Wawuhlangula umpêfumlo wam kwelingapantsi labafileyo.

Digitized by Google

14 Tĭxo, abakûkumali basukele pĕzulu kum;
Ibandla laba nobungqwangangqwili lifuna umpĕfumlo wam;
Abakumisi wena pâmbĭ kwabo.
15 Ke wena, Nkosi yam, ungu-Tĭxo onemfesane, onobabalo,
Ozeka kade umsindo, omkûlu ngenceba nenyaniso.
16 Ndibĕke, undibabale;
Mpĕ amandla akô umkônzi wakô,
Umsindise unyana womkônzazana wakô.
17 Ndenzele umqondiso wokulungileyo,
Bawubone abanditĭyayo, badane,
Ukuba wena Yehova undincedile, wanditûtûzela.

Eyonyana baka-Kora. Umhobe. Ingoma.

87 Useko alusekileyo lusezintabeni ezingcwele;
2 Amasango e-Tsiyon u-Yehova uwatânda
Ngapĕzu kweminquba yonke ka-Yakobi.
3 Kutĕtŵa into ezizukileyo ngawe,
Mzi ka-Tĭxo. (Pâkamisani.)
4 O-Rahabi no-Babeli ndiya kubakânkanyela kwabandaziyo;
Nalo elama-Filisti nelase-Tire kunye nelakwa-Kushi,
Aba bazalelwe kôna.
5 Ngokusingisele kwi-Tsiyon kuya kutĭwa,
Lo naló uzalelwe kuyo,
Abe yena Osenyangweni eyizinzisa.
6 U-Yehova uya kubala ekuzibâleni izizwe, atĭ,
Abaya bazalelwe kona, (Pâkamisani.)
7 Baze, bevuma beqambâ, batĭ,
Yonke imitômbô yam ikuwe.

Ingoma, umhobe wonyana baka-Kora; kumongameli; ngosizi, ngelidambileyo. Owokuqiqa ka-Heman um-Ezra.

88 Yehova, Tĭxo ongumsindisi wam,
Mhlenikweni ndikâlayo ebusuku pâmbĭ kwakô;
2 Mauze pâmbĭ kwakô umtândazo wam;
Tôba indlebe yakô ekuhlahlambêni kwam:
3 Ngokuba umpĕfumlo wam uhluti zinto ezimbĭ,
Ubomi bam bufike kwelabafileyo.
4 Ndibalelwe kwabahla baye emhadini,
Ndisuke ndanjengomfo onge namandla;
5 Ndingumkûlulwa pâkatĭ kwabafileyo,
Njengababuleweyo, belele encŵabeni,
Ongasabakûmbûliyo;
Bona banqunyulweyo esandleni sakô.
6 Undibeke emhadini ongapântsi,
Ezindaweni ezimnyama, ezinzulwini.
7 Ubushushu bakô bundishicilele,
Unditôbele onke amaza akô alwayo. (Pâkamisani.)
8 Ubashenxisele kude kum abo ndazana nabo,
Undenzē amasikizi kubo,
Ndivalelwe, andinakupûma.
9 Iliso lam liyapêla yingcinezelo,
Ndidanduluka kuwe, Yehova, yonke imini,
Ndizolulela kuwe izandla zam.
10 Uya kuyenzela abafileyo-na imisebenzi ebalulekileyo?
Kuya kuvuka izitûnzela kusinina, zibulele kuwe? (Pâkamisani.)
11 Ibaliswa encŵabeni-na inceba yakô?
Enzonzobileni-na ukunyanisa kwakô?
12 Yaziswa emnyameni-na imisebenzi yakô ebalulekileyo,
Ezweni lokulibala-na ubulungisa bakô?
13 Ke mna, Yehova, ndizibika kuwe,
Kwakusasa umtândazo wam wokuhlangabeza.
14 Uwuhlambêla-nina, Yehova, umpĕfumlo wam?
Ubusitêlisela-nina ubuso bakô kum?
15 Ndilusizana, ndiyinto efayo kwasebuncinaneni bam,
Nditŵele izitûso zakô, lindikôhlile.
16 Kugqitê pĕzu kwam ukuvutâ kwakô,
Izidandatêkiso zakô zindibângisile,
17 Zindijikelezile njengamanzi imini yonke,
Zindizungulezile kwapêla.
18 Umsusile kum onditândayo nonguwetû;
Abo ndazana nabo babubumnyama.

Eyokuqiqa ka-Etan um-Ezra.

89 Inceba zika-Yehova ndiya kuvuma ngazo ngonapâkade,
Kwizizukulwana ngezizukulwana ndiya kwazisa ukutêmbêka kwakô ngomlomo wam.

Digitized by Google

2 Ngokuba nditi, Yakêka ngonapâkade inceba,
Amazulu, uya kukuzinzisa kuwo ukutêmbêka kwakô.

3 Watî, Ndenzê umnqopîso nomnyulwa wam,
Ndifungile ku-Davide isicaka sam:
4 Ndiya kuyizimasa ngonapâkade imbêwu yakô,
Ndiyakê i-trone yakô kwisizukulwana ngesizukulwana. (Pâkamisani.)
5 Amazulu abulela imisebenzi yakô ebalulekileyo, Yehova,
Nokutêmbêka kwakô ebandleni labangcwele.
6 Ngokuba ngubanina esibâkabâkeni olingana no-Yehova?
Ofana no-Yehova pâkatî konyana boTîxo?
7 U-Tîxo ungowokungcangcazelelwa ebûngeni elikûlu labangcwele,
Ungofanelwe kukoyikwa ngapêzu kwabo bonke abamngqongileyo.
8 Yehova, Tîxo wemikôsi,
Ngubanina onjengawe, oluqilima, Yehova?
Ukutêmbêka kwakô kukungqongile.
9 Nguwena mlauli wefatshi lolwandle;
Ekupâkameni kwamaza alo uyawadambîsa.
10 Nguwena mtyumzi ka-Rahabi njengonxwelefiweyo,
Wazitî-sa intshaba zakô ngengalo yakô eqinileyo.
11 Ngawako amazulu, ukwa ngowakô umhlaba;
Elimiweyo nenzaliseko yalo lasekwa nguwe.
12 Um-Ntla nom-Zantsi wadalwa nguwe;
I-Tabore ne-Hermon zimemelela ngegama lakô.
13 Yeyakô ingalo enobugofa;
Sitê-nqi isandla sakô, sipâkamile esokunene sakô.
14 Ummiso we-trone yakô bubulungisa nokusesikweni;
Inceba nenyaniso ilungiselela pâmbî kwakô.
15 Hayi uyolo lwabantu abakwaziyo ukuduma!
Baya kuhambâ ekukânyeni kobuso bakô, Yehova.
16 Baya kugcoba ngegama lakô imini yonke,
Bapâkame ngobulungisa bakô.
17 Ngokuba isihombô samandla abo nguwe;
Ekutândeni kwakô upôndo lwetû lupâkamile.
18 Ngokuba iku-Yehova ingweletshetshe yetû,
Uk-Oyingcwele ka-Sirayeli ukumkani wetû.

19 Wakâ watêtâ ngombono kowenceba wakô, watî,
Ndibeke uncedo egofeni,
Ndipâkamise indodana ebantwini.
20 Ndifumene u-Davide isicaka sam,
Ndimtâmbîsile nge-oli yam engcwele:
21 Esiya kuqinisela kuye isandla sam,
Nengalo yam imkâlipîse.
22 Utshaba aluyi kumqubula;
Nonyana wobugqwetâ akayi kumcinezela.
23 Ndiya kubaqôba pâmbî kwakê ababandezeli bakê,
Ndibaxabele abamtîyayo.
24 Inyaniso yam nenceba yam inaye;
Luya kupâkama upôndo lwakê ngegama lam.
25 Ndiya kusisa elwandle isandla sakê,
Emilanjeni esokunene sakê.
26 Yena ukundibiza wotî, Ungubawo,
Ngu-Tîxo wam neliwa lokundisindisa.
27 Kanjalo nma ndiya kumenza owamazibulo,
Osenyangweni kokumkani bomhlaba.
28 Ndiya kumgcinela inceba yam ngonapâkade,
Umnqopîso wam unyanise kuye.
29 Ndiyimise ngonapâkade imbêwu yakê,
Ne-trone yakê ibe njengemihla yezulu.
30 Ukuba batê onyana bakê bawulahla umyalelo wam,
Abahambâ ngamasiko am,
31 Ukuba batê bayihlambêla imimiselo yam,
Abayigcina imitêtô yam:
32 Ndoluvelela uteqo lwabo ngentonga,
Nobugwenxa babo ngemivumbô.
33 Ke yona inceba yam andiyi kuyapûla kuye,
Ndingaxoki ekutêmbêkeni kwam.
34 Andiyi kuwuhlambêla umnqopîso wam,

Digitized by Google

Ndiyijike into epûme emlonyeni wam.
35 Ndibufunge kwakanye ubungcwele bam, ndatî,
Inene, andikumxokisa u-Davide;
36 Imbêwu yakê iya kubakô ngonapâkade,
Ne-trone yakê njengelanga pâmbî kwam.
37 Iya kuqiniseka njengenyanga ngonapâkade,
Inqîna lasesibâkabâkeni litêmbêkile.
(Pâkamisani.)
38 Kwa wena umhlambîle, umcekisile,
Umpûpûmele ngomsindo umtânjiswa wakô;
39 Utê-netê ngumnqopîso womkônzi wakô,
Usidyobile emhlabeni isitsaba sakê.
40 Uzityobozile zonke intango zakê,
Uzenze inxuwa inqaba zakê.
41 Bayampânga bonke abadlula ngendlela,
Waba yingcikivo kubamelwane bakê.
42 Usipâkamisile isandla sokunene sabambandezelayo,
Uzivuyisile zonke intshaba zakê.
43 Wabuyisa nokubuyisa uhlangotî lwerele lakê,
Akwammisa emfazweni.
44 Umsusile enkazimlweni yakê,
Uyikâhlele emhlabeni i-trone yakê.
45 Uyinqumle imihla yobutsha bakê,
Wamtî-wambû ngokudana.
(Pâkamisani.)
46 Kuninina, Yehova, uhleli uzisitelîsile,
Busitsha njengomlilo ubushushu bakô?
47 Kûmbûla, ukunqamka kwam into okuyiyo!
Ubadalele-nina baba yinto engento bonke onyana baka-Âdam!
48 Yiyipîna indoda ehleliyo, engayi kukubona ukufa,
Enokuwusindisa umpêfumlo wayo esandleni selabafileyo? (Pâkamisani.)
49 Zipîna inceba zakô zangapâmbîli, Nkosi yam,
Owamfungela zona u-Davide ngokutêmbêka kwakô?
50 Kûmbûla, Nkosi yam, ukungcikiveka kwabakônzi bakô,
Nditwele esifubeni sam zonke izizwe ezininzi,
51 Ezingcikivayo, zizintshaba zakô, Yehova.
Ezingcikiva amanyatêla omtânjiswa wakô.
52 Makabongwe u-Yehova ngonapâkade. Amen, amen.

Umtândazo ka-Moses, umfo wakwa-Tixo.

90 Nkosi yam, ulikâya wena kutî
Isizukulwana ngesizukulwana.
2 Kungekazalwa ntaba,
Ungekavelisi mhlaba nazwe limiweyo,
Kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni wena ungu-Tîxo.
3 Umbuyisela umntu elutûlini,
Utî, Buyani, bonyana baka-Adam.
4 Ngokuba iwaka leminyaka emehlweni akô
Linjengemini yezolo, xa idlulayo,
Linjengomlindo wasebusuku.
5 Uyabakûkulisa, balale;
Ngengomso babuye bahlume njengotyani.
6 Ngomso buyatyatyambâ, bubuye buhlume,
Ngokuhlwa buyasikwa bome.
7 Ngokuba siyapêla ngumsindo wakô,
Sikwânqiswe bubushushu bakô.
8 Ububeke ubugwenxa betû pâmbî kwakô,
Nesibufihlileyo ububeka ekukânyiseleni kobuso bakô.
9 Ngokuba yonke imihla yetu isangene ngokupûpûma komsindo wakô,
Siyipêlisile iminyaka yetû njengentsebezo.
10 Imihla yeminyaka yetû iseminyakeni engamashumi asixênxe;
Ukuba itê yamininzi kakûlu, iba yiminyaka emashumi asibôzo,
Libe-ke iqâyiya layo likukwapûka nokungabi nto yanto,
Ngokuba itê-pê yakâuleza, sapâpâzela semka.
11 Ngubanina owaziyo amandla omsindo wakô,
Nokupûpûma kwawo ngoko ufanele ukoyikwa ngako?
12 Sazise kanye ukuyibala imihla yetu,
Ukuze sizuze intliziyo elumkileyo.
13 Buya, Yehova, kuninina?
Uzohlwaye ngenxa yabakônzi bako.
14 Sihlutîse kwakusasa ngenceba yakô,
Simemelele, sivuye yonke imihla yetû.

Digitized by Google

15 Sivuyise ngangemihla owasicinezela ngayo,
Ngangeminyaka esabona ububi ngayo.
16 Mayibonakale kubakônzi bakô imisebenzi yakô,
Nobungangamela bakô konyana babo.
17 Ubumnandi buka-Yehova mabube pêzu kwetû;
Zimasa isenzo sezandla zetû pêzu kwetû,
Isenzo sezandla zetû usizimase sona.

91 Ohleli esitêni l-Osenyangweni,
Azilalise emtûnzini ka-Somandla,
2 Utî u-Yehova, Hlatî lam, mbôniselo yam,
Tîxo wam, endikôlose ngaye.
3 Ngokuba ngokwakê uya kukuhlangula emgibeni womtîyeli,
Endyikityeni yokufa eyeyeliselayo.
4 Wokugubungela ngentsiba zakê,
Uzimele pântsi kwamapîko akê.
Likâka, yingweletshetshe inyaniso yakê.
5 Akuyikoyikiswa zizitûso ebusuku,
Nalutolo lubaleka emini,
6 Nandyikitya yakufa ihambâ esitôkotôkweni,
Nasifo sibûbîsayo sibûqa emini enkulu.
7 Kungawa iwaka ecaleni kwakô,
Isigidi ngasekunene kwakô,
Kodwa kungasondeli nto kuwe.
8 Wokângela ngamehlo akô odwa,
Ukubonele ukubuyekezwa kwabangendawo.
9 Ngokuba nguwe, Yehova, ihlatî lam.
Umenze Osenyangweni ikâya lakô.
10 Akuyi kuqubisana bubi nawe,
Kungafiki sibetô en-tenteni yakô.
11 Ngokuba izitûnywa zakê uziwisele umtêtô ngawe,
Ukuba zikugcine ezindleleni zakô zonke.
12 Zokutwâla wena ngezandla zozibini,
Hleze ubetêke ngonyawo lwakô etyeni.
13 Wonyatêla pêzu kwengonyama nefambâ,
Uyinyashe ingonyama entsha nenambâ ngenyawo.
14 Ngokuba enamatêle kum, ndomsiza;
Ndimse engxondeni, ngokuba elazi igama lam.
15 Wondibiza, ndipêndule,
Ndoba naye embândezelweni;
Ndomhlangula, ndimzukise;
16 Ndimanelise ngemihla emide,
Ndimbonise ukusindisa kwam.

Umhobe; ingoma, ngemini ye-sabata.

92 Kulungile ukubulela ku-Yehova,
Nokulibetêla uhadi igama lakô, wena Usenyangweni;
2 Ukuyixela kwakusasa inceba yakô,
Nokunyanisa kwakô ebusuku,
3 Ngowentambô ezilishumi nangomfube,
Ngokulubetâ uhadi ngofefe.
4 Ngokuba undivuyisa, Yehova, ngomsebenzi wakô,
Ngezenzo zezandla zakô ndinokumemelela.
5 Azi zikûlu izenzo zakô, Yehova!
Zinzulu kakûlu ingcinga zakô.
6 Isityâkala asinakwazi;
Isinyabi asikuqondi oko.
7 Ekudubuleni kongendawo njengomfuno,
Ekutyatyambêni kwabasebenzi bonke bobutshinga,
Kukuze batshabalale ngonapâkade.
8 Ke wena, Yehova, ungopêzulu ngonapâkade.
9 Ngokuba uyabona, intshaba zakô, Yehova,
Ngokuba uyabona, intshaba zakô ziya kutshabalala;
Baya kucîtâcîtwa bonke abasebenzi bobutshinga.
10 Uyalupâkamisa upôndo lwam njengolwenqu,
Ndigalelwe i-oli entsha.
11 Iliso lam liyababonela abandilalelayo,
Indlebe yam iyabeva abasukela pêzulu kum benobubi.
12 Amalungisa aya kudubula njengesundu,
Aya kukûla njengom-sedare we-Lebanon.
13 Etyelwe-nje endlwini ka-Yehova
Aya kutyatyamba ezintendelezweni zo-Tîxo wetû.
14 Aya kuhluma esele nezimvi,
Aya kuba etyebile eluhlaza;
15 Ukuze axele ukuba utê-tye u-Yehova,
Uliwa lam, kungekô bugqwetâ kuye.

Digitized by Google

93 U-Yehova ungukumkani, uzambâtîse ubungangamsha;
U-Yehova uzambâtîse, ubînqe amandla;
Lizinzile-ke elimiweyo, alinakushukunyiswa.
2 Kususela koko izinzile i-trone yakô,
Kususela kwapâkade ukô wena.
3 Imilambô ipâkamisile, Yehova,
Imilambô ipâkamise isandi sayo,
Imilambô ipâkamise ingxolo yayo.
4 Ngapêzu kwezandi zamanzi amaninzi
Angangamsha, ngapêzu kwamaza alwayo olwandle,
Unobungangamsha pêzulu u-Yehova.
5 Izinqîniso zakô zinyanise kunene,
Ubungcwele buyifanele indlu yakô,
Yehova, imihla emide.

94 Tixo wempîndezelo, Yehova,
Tixo wempîndezelo, bengezela,
2 Pâkama, mgwebi womhlaba,
Babuyisele impâtô yabo abaneŕatshi.
3 Kuninina abangendawo, Yehova,
Kuninina abangendawo bevuyelela?
4 Balepûza amagwebu, batêtâ ngokusa,
Bayandolosa bonke abasebenzi bobutshinga.
5 Batyumza abantu bakô, Yehova,
Bacinezela ilifa lakô.
6 Babulala umhlolokazi nowasemzini,
Bancinitâ inkedama.
7 Batî-ke, Akaboni u-Yehova,
Akagqali u-Tîxo ka-Yakobi.
8 Qondani, nina bazityâkala ebantwini;
Nina zinyabi, niya kuqiqa ninina?
9 Omilisele indlebe, akayi kuva-na?
Obumbê iliso, akayi kukângela-na?
10 Umtêtîsi wentlanga, akayi kohlwaya-na,
Ulofundisa abantu ukwazi?
11 U-Yehova ngumazi wengcinga zabantu
Ukuba zingumpûnga.
12 Hayi uyolo lwendoda oyitêtîsayo, Yehova,
Oyifundisayo ngomyalelo wakô;
13 Ukuba uyizolise eziminini zobubi,
Ade ambêlwe isihogo ongendawo.
14 Ngokuba u-Yehova akabalahli abantu bakê,
Akalishiyi ilifa lakê.
15 Ngokuba isiko liya kubuyela ebulungiseni,
Balilandele bonke abantliziyo zitê-tye.
16 Ngubaniña oya kusukela pêzulu kubo abanobubi ngenxa yam?
Ngubanina oya kumelana nabasebenzi bobutshinga.ngenxa yam?
17 Koko u-Yehova abe luncedo lwam,
Umpêfumlo wam unge uhle msinya,
waya apô kutîwa-cwaka.
18 Ukuba nditî, Lwatyibilika unyawe lwam,
Isuka inceba yakô, Yehova, indixâse.
19 Ebuninzini bengcingangcinga zam ngapâkatî kwam
Intutûzelo zakô ziyawuyolisa umpêfumlo wam.
20 Ingaqêlana nawe-na i-trone yolweyeliselo,
Ebumbâ ububi ngommiselo?
21 Bahlanganyela umpêfumlo welungisa,
Baligwebe igazi elimsulwa.
22 Kanti-ke u-Yehova uyingxonde kum,
U-Tîxo wam liliwa endizimela ngalo.
23 Ububuyisela pêzu kwabo ubutshinga babo,
Ubabângisa ngobubi babo,
Uya kubabângisa u-Yehova, u-Tîxo wetû.

95 Yizani simemelele ku-Yehova,
Sidume kwiliwa lokusindiswa kwetû.
2 Masize pâmbî kobuso bakê sinombulelo,
Masidume kuye ngengoma.
3 Ngokuba u-Tîxo omkûlu ngu-Yehova,
Ngu-Kumkani omkûlu ngapêzu kotîxo bonke.
4 Uzisesandleni sakê ingontsingontsi zomhlaba,
Nencopo zentaba zezakê.
5 Ulolwakê ulwandle, nguyena walwenzayo,
Nomhlaba owomileyo zawubumbâ izandla zakê.
6 Yizani, masiqubude, siguqe,
Sitôbe pâmbî ko-Yehova umenzi wetû.
7 Ngokuba ngu-Tîxo wetû yena,
Tîna-ke singabantu bokwalûswa nguye nezimvu zesandla sakê.
Namhla, ukuba ninokuliva izwi lakê!
8 Musan' ukuyenza lukûni intliziyo yenu njengase-Meriba,
Njengemini yase-Masa entlango;
9 Oko bandilingayo oyihlo,

Digitized by Google

Bandicikida bewubona umsebenzi wam.
10 Iminyaka yaba ngamashumi amane ndiruqukile sesizukulwana,
Ndatî, Ngabantu abantliziyo zindwendwayo,
Abazazi indlela zam bona;
11 Endada ndafunga ndinomsindo, ukutî,
Inene, abasayi kungena ekupûmleni kwam.

96 Vumani ku-Yehova ingoma entsha,
Vumani ku-Yehova, nonke mhlaba.
2 Vumani ku-Yehova, bongani igama lakê,
Shumayelani imini ngemini indaba ezilungileyo zosindiso lwakê.
3 Balisani ezintlangeni uzuko lwakê;
Balisani ezizweni zonke imisebenzi yakê ebalulekileyo;
4 Ngokuba mkûlu u-Yehova, engowokudunyiswa kunene,
Uyoyikeka yena ngapêzu kotîxo bonke.
5 Ngokuba bonke otîxo bezizwe abanto zanto,
U-Yehova yena wenza amazulu.
6 Yindili nobungangamela pâmbî kwakê,
Ngamandla nokuhombâ engcweleni yakê.
7 Mnikeni u-Yehova, nina mizalwane yezizwe,
Mnikeni u-Yehova uzuko namandla.
8 Mnikeni u-Yehova uzuko lwegama lakê,
Twalani umnikelo, nize ezintendelezweni zakê.
9 Qubudani ku-Yehova, nivetê ezingcwele,
Tûtûmelani pâmbî kwakê, nonke mhlaba.
10 Yitîni ezintlangeni, U-Yehova ngukumkani,
Liya kuzinza ngoko elimiweyo, lingashukumi,
Uya kugweba pâkatî kwezizwe ngokutê-tye.
11 Aya kuvuya amazulu,
Ugcobe umhlaba;
Luya kugquma ulwandle nenzaliseko yalo.
12 Liya kudlamka ilizwe nento yonke ekulo,
Ize imemelele yonke imitî yehlatî
13 Pâmbî ko-Yehova, ngokuba esiza,
Ngokuba esiza kugweba umhlaba.
Uya kuligweba elimiweyo ngobulungisa,
Nezizwe ngokunyanisa kwakê.

97 U-Yehova ngukumkani, uyagcoba umhlaba,
Ziyavuya iziqiti ezininzi.
2 Ngamafu nesitôkotôko ngenxa zonke kuye,
Bubulungisa nokusesikweni umuiso we-trone yakê.
3 Kuhambâ umlilo pâmbî kwakê,
Ulenya ababandezeli bakê ngenxa zonke.
4 Ikânyisa elimiweyo imibane yakê,
Uyabona uzibijabije umhlaba.
5 Intaba zinyibilika njengomtwebeba pâmbî ko-Yehova,
Pâmbî kwe-Nkosi yomhlaba wonke.
6 Amazulu axela ubulungisa bakê,
Zilubone uzuko lwakê zonke izizwe.
7 Badanile bonke abakônza umfanekiso oqingqiweyo.
Abaqâyisa ngento ezingento;
Baqubuda kuye bonke otîxo.
8 Iyeva, iyavuya i-Tsiyon,
Ziyagcoba intombî zakwa-Yuda
Ngenxa yemigwebo yakô, Yehova.
9 Ngokuba nguwe, Yehova, Osenyangweni pêzu komhlaba wonke,
Unyukile kunene ngapêzu kotîxo bonke.
10 Batândi baka-Yehova, kutîyeni okubi.
Umgcini wemipêfumlo yabenceba bakê
Uya kubahlangula esandleni sabangendawo.
11 Ukukânya likuhlwayelelwe ilungisa,
Novuyo baluhlwayelelwe abantliziyo zitê-tye.
12 Vuyani ngo-Yehova, malungisa,
Nibulele isikûmbûzo sakê esingcwele.

Umhobe.

98 Vumani ku-Yehova ingoma entsha,
Ngokuba wenze imisebenzi ebalulekileyo,
Simzuzele isandla sakê sokunene nengalo yakê engcwele uloyiso.
2 Ulwazisile u-Yehova usindiso lwakê,
Ubutîyilile emehlweni entlanga ubulungisa bakê.

Digitized by Google

3 Ukûmbulé inceba yakê nokunyanisa kwakê kwindlu ka-Sirayeli;
Zilubonile zonke izipêlo zomhlaba usindiso lo-Tixo wetû.
4 Dumani ku-Yehova, nonke mhlaba,
Gqobokelani ekumemeleleni, nibetê uhadi.
5 Mbetêleni uhadi u-Yehova,
Uhadi nelizwi lengoma,
6 Ngamaxilongo nezwi lesigodlo
Dumani pâmbî ko-Kumkani u-Yehova.
7 Malugqume ulwandle nenzaliseko yalo,
Elimiweyo nabemi balo.
8 Imilambô mayibetê izandla,
Zimemelele kunye intaba
9 Pâmbî ko-Yehova, ngokuba esiza kugweba umhlaba.
Uya kuligweba elimiweyo ngobulungisa,
Izizwe ngokutê-tye.

99 U-Yehova ngukumkani, ziyagungqa izizwe;
Ulohlala e-kerubini, uyashukuma umhlaba.
2 U-Yehova mkûlu e-Tsiyon;
Upâkamile ngapêzu kwezizwe zonke.
3 Baya kulibulela igama lakô elikûlu eloyikekayo;
Ngokuba ungcwele yena.

4 Amandla okumkani atânda okusesikweni;
Uwazimasile wena ngokutê-tye;
Wenze okusesikweni nobulungisa kwa-Yakobi wena.
5 Mpâkamiseni u-Yehova, u-Tixo wetû,
Niqubude esi-tulweni senyawo zakê;
Ngokuba ungcwele yena.

6 O-Moses no-Aron pâkatî kwabenzelêleli bakê,
No-Samuweli pâkatî kwabalinqulayo igama lakê;
Babebiza ku-Yehova, wabapêndula yena.
7 Watêtâ kubo esemqulwini welifu;
Bazigcina izinqîno zakê,
Nommiselo awabanika wona.
8 Yehova, Tixo wetû, wabapêndula wena,
Waba ngu-Tixo oxolelayo kubo,
Ongozipîndezelayo intlondi zabo.
9 Mpâkamiseni u-Yehova, u-Tixo wetû,
Niqubude entabeni yakê engcwele;
Ngokuba ungcwele u-Yehova u-Tixo wetû.

Umhobe wombingelelo wokubulela.

100 Dumani ku-Yehova, nonke mhlaba.
2 Mkônzeni u-Yehova nivuya;
Yizani pâmbî kwake nimemelele.
3 Yazini ukuba u-Yehova ngu-Tixo yena;
Wasenza yena, asisitî;
Singabantu bakê nezimvu zokwalûswa nguye.
4 Ngenani emasangweni akê nibulela,
Ezintendelezweni zakê nidumisa,
Bulelani kuye, bongani igama lakê.
5 Ngokuba u-Yehova ulungile,
Inceba yakê ingunapâkade,
Ukunyaniseka kwakê kukwisizukulwana ngesizukulwana.

Eka-Davide. Umhobe.

101 Ndiya kuvuma ngenceba nomgwebo;
Ndiya kukubetêla uhadi, Yehova;
2 Ndiya kuqiqa indlela yengqibelelo;
Uya kuza ninina kum?
Ndiya kuhambâ ngengqibelelo yentliziyo yam
Pâkatî kwendlu yam.
3 Andiyi kubeka pâmbî kwamehlo am
Nto inobutshijolo.
Ukwenza ngokunxaxâ ndikutîyile,
Akuyi kunamatêla kum.
4 Intliziyo ejibilizayo iya kukwêlela kude kum;
Into embî andiyi kuyazi.
5 Omhlebayo uwabo ngasese,
Lowo ndiya kumbângisa.
Omehlo aqwayingileyo, ontliziyo igungubeleyo,
Lowo andinakumtwala.
6 Amehlo am akwabanyanisayo ezweni,
Ukuba bandipâhle;
Ohambâ ngendlela yengqibelelo,
Lowo makandilungiselele.
7 Akayi kuhlala pâkatî kwendlu yam
Owenza inkohliso;
Otêtâ ubuxoki akayi kuqina
Pâmbî kwamehlo am.
8 Imiso ngemiso ndiya kubabângisa
Bonke abangendawo belizwe,

Digitized by Google

Ukuze ndibanqumle emzini ka-Yehova
Bonke abasebenzi bobutshinga.

Umtándazo wolusizana xa atŷafileyo, apalúza inkalazo zakè pámbi ko-Yehova.

102 Yehova, wuve umtándazo wam,
Kufike kuwe ukuzibika kwam.
2 Mus'ukubusitêlisa ubuso bakô kum ngemini yokubandezelwa kwam,
Nditôbele indlebe yakô;
Ngemini endidanduluka ngayo kâuleza undipéndule.
3 Ngokuba iyapêla imihla yam njengomsi;
Amatâmbô am avutâ njengeziko.
4 Ibetŵe yoma njengomfuno intliziyo yam,
Ngokuba ndilibele nokudla isonka sam.
5 Ngenxa yezwi lokugcuma kwam
Amatâmbô am atshele onyameni yam.
6 Ndifana nencwangube yentlango,
Ndinjengesikôva sasemanxoweni.
7 Andilali, ndinjengentaka eyodwa pézu kwendlu.
8 Imini yonke ziyandingcikiva intshaba zam;
Abandigezelayo batûka ngam.
9 Ngokuba ndidle utûtû njengesonka,
Into endiyiselayo ndiyipîtikeza nezililo:
10 Ngenxa yokubâbâma kwakô nobufalafume bakô,
Ngokuba undifunqule wandilahla.
11 Imihla yam injengokoluka kwamatûnzi;
Mna ndomile njengomfuno.

12 Ke wena, Yehova, uhleli ngonapâkade,
Inkumbûzo yakô ikwizizukulwana ngezizukulwana.
13 Uya kusuk'ume, uyipâtê i-Tsiyon ngemfesane;
Ngokuba lixesha lokuyibabala eli, ngokuba lifikile ixesha elimisiweyo.
14 Ngokuba abakônzi bakô bakôliswe ngamatye ayo,
Utûli lwayo banofefe ngalo.
15 Ziya kuloyika intlanga igama lika-Yehova,
Nokumkani bonke bomhlaba ubuqaqauli bakô.
16 Ngokuba eyakîle i-Tsiyon u-Yehova,
Ubonakele ebuqaqaulini bakê,
17 Uwubêkile umtándazo wabacûshuluzayo,
Akawudela umtándazo wabo.
18 Oko kuya kubâlelwa isizukulwana esizayo,
Abantu abaza kudalwa badumise u-Yehova.
19 Ngokuba uqondele, esendaweni yakê epêzulu engcwele,
Wondela emhlabeni, esezulwini u-Yehova,
20 Ukuba akuve ukugcuma kwabakônxiweyo,
Abakûlule onyana bokufa;
21 Bancokole e-Tsiyon ngegama lika-Yehova,
Ngendumiso yakê e-Yerusalem;
22 Ekubutêlaneni kwezizwe ndawo-nye,
Nezikumkani, ukuba zikônze u-Yehova.

23 Uwatôbile endleleni amandla am,
Uyinqamle imihla yam.
24 Nditi, Tîxo wam, mus'ukundisusa pâkatî kwemihla yam,
Ikwizizukulwana ngezizukulwana iminyaka yakô.
25 Wawuseka kudala umhlaba;
Asisenzo sezandla zakô amazulu.
26 Ezonto ziya kudaka, wena-ke ume;
Zona zonke ziya konakala njengengubo,
Wozigugisa njengesambâtô, ziguge;
27 Ke wena uhleli unguwe,
Iminyaka yakô ayinakupêla.
28 Onyana babakônzi bakô baya kuhlala,
Imbêwu yabo izimaseke pâmbî kwakô.

Eka-Davide.

103 Mbonge u-Yehova, mpêfumlo wam,
Ilibonge igama lakê elingcwele into yonke engapâkatî kwam.
2 Mbonge u-Yehova, mpêfumlo wam,
Ungayilibali yonke impâtô yakê entle:
3 Uloxolela bonke ubugwenxa bakô,
Ulopîlisa zonke izifo zakô,
4 Ulokûlula ubomi bakô esihogweni,
Akutî-jize ngenceba nemfesane,
5 Lo uwuzalisayo umlomo wakô ngento elungileyo,

Digitized by Google

Buhlaziyeke ubutsha bakô njengobexâlanga;
6 Ngu-Yehova umenzi wemisebenzi yobulungisa,
Nezigwebo ngenxa yabacudisiweyo bonke;
7 Umazisi wendlela zakê ku-Moses,
Wezenzo zakê ezincamisayo konyana baka-Sirayeli.
8 Unemfesane enobabalo u-Yehova,
Uzeka kade umsindo, mkûlu ngenceba.
9 Akapîki kupêle,
Akawugcini umsindo ngonapâkade.
10 Akenzi kutî ngokwezono zetû,
Akasipâtî ngokobugwenxa betû;
11 Ngokuba injengokupâkama kwezulu pêzu komhlaba,
Ukuba namandla inceba yakê kwabamoyikayo;
12 Kunjengokuba kude kwempumalanga entshonalanga,
Ukulukwelelisa kwakê kutî uŕeqo lwêtû;
13 Kunjengokusikwa yimfesane koyise kubantwana,
Ukusikwa yimfesane kuka-Yehova kwabamoyikayo.
14 Ngokuba uyakwazi yena ukubunjwa kwetû,
Ekûmbûla ukuba silutûli.
15 Hayi umntu, injengotyani imihla yakê;
Njengentyantyambô yasendle kunjalo ukutyatyamba kwakê.
16 Xa utê umoya wadlula kuyo, ayibikô;
Ingabi sazana nayo indawo yayo.
17 Ke yona inceba ka-Yehova ikwabamoyikayo kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni,
Nobulungisa bakê bukonyana bonyana;
18 Kwabawugcinileyo umnqopîso wakê,
Kwabazikûmbûlayo iziyalezo zakê ukuba bazenze.
19 U-Yehova uyizinzisile ezulwini i-trone yakê,
Ubukumkani bakê bulaula into yonke.
20 Mbongeni u-Yehova, nina zitûnywa zakê,
Magoŕa omeleleyo alenzayo ilizwi lakê,
Epûlapûla isandi selizwi lakê.
21 Mbongeni u-Yehova, nonke mikôsi yakê,
Balungiseleli bakê, benzi bokutânda kwakê.
22 Mbongeni u-Yehova, nonke zenzo zakê,
Ezindaweni zonke zobukumkani bakê.
Mbonge u-Yehova, mpêfumlo wam.

104 Mbonge u-Yehova, mpêfumlo wam.
Yehova, Tîxo wam, umkûlu kakûlu,
Wambêtê indili nobungangamela.
2 Ulotî-wambû ukukânya njengengubo,
Ulowaneka amazulu njengelengalenga len-tente;
3 Ulohlanganisa emanzini imiqadi yamagumbî akê apêzulu,
Ulowenza amafu inqwelo yakê,
Ulohambâ ngamapîko omoya;
4 Ulowenza izitûnywa zakê imimoya,
Abalungiseleli bakê umlilo olenyayo.
5 Wawuseka umhlaba pêzu kwemimiso yawo,
Ukuba ungashukunyiswa napâkade kanapâkade.
6 Wawugubungela ngamanzi anzongonzongo njengesambâtô,
Ema amanzi ngapêzu kwentaba.
7 Ekukâlimeni kwakô asaba,
Ezwini lendudumo yakô abaleka bupûtupûtu;
8 Kwenyuka intaba, kwehla izihlambô,
Aya kulondawo ubuwasekele yona.
9 Wamisa umda ukuba angegqitî,
Angabuye awugubungele umhlaba.
10 Ulotûma imitômbô iye ezihlanjeni,
Ihambâ pâkatî kwentaba;
11 Iseza zonke inyamakazi zasendle,
Ama-esile asendle aqabula inxano lawo.
12 Kuhlala pêzu kwayo intaka zezulu,
Zitsholoza pâkatî kwamasebe.
13 Uloseza intaba kumagumbî akê apêzulu;
Uyahlutâ umhlaba ziqâmo zezenzo zakô.
14 Ulontshulisela inkomo utyani,
Nomfuno wokunceda umntu;
Ukuze kupûme isonka emhlabeni,
15 I-wayini iyivuyise intliziyo yomntu,
Bukâzimle ubuso nge-oli;
Isonka siyixâse intliziyo yomntu.

Digitized by Google

16 Iyahlutâ imitî ka-Yehova,
Imi-sedare yase-Lebanon awayityalayo,
17 Apô zakêla kôna intaka,
Ingwamza isemi-sipreseni indlu yayo.
18 Intaba zona-ezo zipâkamileyo zezamagogo,
Amawa azimela imbila.
19 Inyanga wayenzela amaxesha ayo,
Ilanga liyakwazi ukutshona kwalo.
20 Wenza ubumnyama, kube sebusuku,
Ashukume ngabo onke amafamnewa ehlatî.
21 Ingonyama ezintsha zigqumela ukuqwenga,
Zifuna ukudla kwazo ku-Tîxo.
22 Lakutî-câpâ ilanga, ziyahlanganisana,
Zibutume ezikûndleni zazo.
23 Uyapûma umntu aye emsebenzini wakê
Nasenkonzweni yakê, ahlwise.
24 Hayi ukuba zininzi izenzo zakô, Yehova!
Zonke zipêla uzenze ngobulumko,
Uzele umhlaba zizidalwa zakô.
25 Nalo ulwandle lulukûlu lubanzi ngenxa zombîni;
Kulapô kuzinambûzane zinge nakubalwa,
Ezincinane kwa nezinkulu izinto ezipîlileyo.
26 Kulapô kuhambâ inqanawa,
Nango umnenga owawubumbêla ukudlala kulo.
27 Zonke ezonto zipêla zikângele kuwe,
Ukuba uzinike ukudla kwazo ngexesha elililo.
28 Uyazinika, ziyacôla;
Uyasivula isandla sakô, ziyahlutâ kokulungileyo.
29 Uyabusitêlisa ubuso bakô, ziyakwanqiswa;
Uyawuhlanganisa umoya wazo, zipûme umpêfumlo,
Zibuyele elutûlini lwazo.
30 Utûma umoya wakô, ziyadalwa;
Ubuhlaziye ubuso bomhlaba.
31 Ubuqaqauli buka-Yehova mabube ngunapâkade;
U-Yehova makavuye ngezenzo zakê;
32 Ulobêka emhlabeni, uzamazame;
Uchûkumisa intaba, ziqûme.
33 Ndiya kuvuma ku-Yehova logama ndidla ubomi,
Ndiya kumbetêla uhadi u-Tîxo wam ekubeni ndingokôyo.
34 Makube nencasa kuye ukucamngca kwam;
Mna ndiya kuvuya ngo-Yehova.
35 Mabagqitywe emhlabeni aboni,
Bangabi sabikô abangendawo.
Mbonge u-Yehova, mpêfumlo wam.
Haleluya.

105 Bulelani ku-Yehova, nqulani igama lakê;
Yazisani ezizweni izenzo zakê ezincamisileyo.
2 Vumani kuye, mbetêleni uhadi;
Xoxani ngemisebenzi yakê yonke ebalulekileyo;
3 Qâyisani ngegama lakê elingcwele;
Mayivuye intliziyo yabamfunayo u-Yehova.
4 Nxâmelani u-Yehova namandla akê;
Funani ubuso bakê ngamaxesha onke.
5 Kûmbûlani imisebenzi yakê ebalulekileyo awayenzayo,
Izimanga zakê nezigwebo zomlomo wakê,
6 Mbêwu ka-Abraham, yomkônzi wakê,
Nyana baka-Yakobi, banyulwa bakê.
7 Ngu-Yehova u-Tîxo wetû yena;
Zisemhlabeni wonke izigwebo zakê.
8 Uwukûmbûla ngonapâkade umnqopîso wakê,
Ilizwi awalimisela iwaka lezizukulwana;
9 Awanqopîsana ngalo no-Abraham,
Awalifungela u-Isake.
10 Awalimisayo ukuba libe ngummiselo ku-Yakobi,
Libe ngumnqopîso ongunapâkade ku-Sirayeli,
11 Esitî, Ndikunika ilizwe lakwa-Kanan,
Libe licandelo lelifa lenu;
12 Besengamadoda ambalwa,
Bebancinane bengabapâmbûkeli kulo.
13 Babehambâ besuka kolunye uhlanga,
baye kolunye uhlanga,
Besuka kobunye ubukumkani, baye kwabanye abantu;
14 Akavumelanga muntu ukuba abacudise,
Wohlwaya okumkani ngenxa yabo;

Digitized by Google

15 Esitî, Musan' ukubacûkumisa abatânjiswa bam,
Musan' ukubapâtâ kakubi aba-profeti bam.
16 Wabiza indlala, yeza pêzu kwelizwe,
Wawapûla wonke umsimelelo osisonka.
17 Watûma indoda pâmbî kwabo;
Kwatêngiswa ngo-Yosefu, walikôboka.
18 Bazicinezela inyawo zakê ngamakamandela,
Wafika umpêfumlo wakê esinyitîni;
19 Kwada kwalixesha lokufika kwelizwi lakê,
Intetô ka-Yehova yamnyibilikisa.
20 Watûma ukumkani, wamkûlula,
Umlauli wezizwe wamvulela;
21 Wamenza inkosi yendlu yakê,
Umlauli wemfuyo yakê yonke,
22 Ukuba abakônxe abatétèli bakê ngokuzitândela kwakê,
Amadoda akê amakûlu awafundise ubulumko.
23 Waya u-Sirayeli e-Yiputa,
U-Yakobi wapâmbûkela ezweni lakwa-Ham.
24 Wabaqâmisa kakûlu abantu bakê,
Wabomeleza ngapêzu kwababandezeli babo.
25 Wajika intliziyo zabo, ukuba babatîye abantu bakê,
Babaqâtânisele abakônzi bakê.
26 Watûma u-Moses umkônzi wakê,
No-Aron awamnyulayo.
27 Bazenza kubo indawo zemiqondiso yakê,
Nezimanga zakê ezweni lakwa-Ham.
28 Watûmela ubumnyama, kwaba mnyama;
Ababa nakuwapîkisa amazwi akê.
29 Wawaguquła amanzi abo, aba ligazi,
Wazibulala intlanzi zabo.
30 Ilizwe labo lanyakazela amasele
Ezingontsini zokumkani babo.
31 Watêtâ, zafika izibawu,
Ingcongconi emideni yabo yonke.
32 Wabanika isicôto, saba yimvula;
Umlilo walenya ezweni labo.
33 Wayibetâ imi-diliya yabo nemikiwane yabo,
Wayishwaqa imitî yemîda yabo.
34 Watêtâ, kwafika inkumbî ezandayo,
Nezikôtûhulayo, into enge nakubalwa;
35 Zayidla imifuno yonke ezweni labo,
Zazidla iziqâmo zomhlaba wabo.
36 Waza wababulala bonke abamazibulo ezweni labo,
Intlahlela yamandla abo onke.
37 Wabakûpâ-ke abakê bene-silvere negolide,
Akwabikô ukûbekayo ezizweni zakê.
38 Lavuya i-Yiputa ekupûmeni kwabo,
Ngokuba lifikelwe kunkwantyisa kwabo.
39 Waneka ilifu lokubasitâ,
Nomlilo wokukânyisa ebusuku.
40 Babiza, wazisa izagwityi;
Wabahlutîsa nangesonka sasezulwini.
41 Wavula iliwa, abaleka amanzi,
Ahambâ engumlambô emqwebedwini.
42 Ngokuba wakûmbûla ilizwi lakê elingcwele,
Wakûmbûla u-Araham umkônzi wakê.
43 Wabakûpâ abantu bakê benemihlali,
Abanyulwa bakê bememelela.
44 Wabanika amazwe entlanga,
Bayihluta inzuzo yokwapûka kwezizwe,
45 Ukuze bayigcine imimiselo yakê,
Bayibambê imiyalelo yakê.
Haleluya.

106

Haleluya.
Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile,
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
2 Ngubanina onokuzixeła izenzo zobugoła buka-Yehova,
Onokuyivakalisa yonke indumiso yakê?
3 Hayi uyolo lwabaligcinayo isiko,
Lwabenza ubulungisa ngamaxesha onke!
4 Ndikûmbûle, Yehova, ekwenzeni kwakô isisa kubantu bakô;
Ndivelele ngosindiso lwakô,
5 Ukuze ndibone inyweba yabanyulwa bakô,
Ndivuye ekuvuyeni kohlanga lwakô,
Ndiqâyise kunye nelifa lakô.

6 Sonile tîna nobawo;
Senze ubugwenxa, senze okungendawo.

Digitized by Google

7 Obawo abayiqiqanga e-Yiputa imisebenzi yakô ebalulekileyo;
Ababukûmbûlanga ubuninzi benceba zakô;
Bapîka elwandle, e-Lwandle olubomvu.
8 Wabasindisa ngenxa yegama lakê,
Ukuze abazise ubugoŕa bakê.
9 Walukâlimela u-Lwandle olubomvu, loma.
Wabahambîsa emanzini anzongonzongo kwanga kusentlango,
10 Wabasindisa esandleni sobatîyayo;
Wabakûlula esandleni sotshaba.
11 Amanzi abagubungela ababandezeli babo,
Akwasala namnye kubo.
12 Bakôlwa-ke ngamazwi akê,
Bayivuma indumiso yakê.
13 Kanti bayahla bazilibale izenzo zakê,
Bangalilindi icebo lakê.
14 Bakânuka bekânukile entlango;
Bamlinga u-Tîxo enkangala.
15 Wabanika abakubizayo;
Watûmela ukungcumbêka empêfumlweni wabo.
16 Bamenzela umona u-Moses eminqubeni,
No-Aron ongcwele ka-Yehova.
17 Wavuleka umhlaba, wamginya u-Datan,
Waliselela ibandla lika-Abiram;
18 Umlilo walitshisa ibandla labo,
Amalangatye abalenya abangendawo.
19 Benza itôle e-Horebe,
Baqubuda emfanekisweni otyîdiweyo.
20 Balwananisa uzuko lwabo
Ngento emilise okwenkomo edla utyani.
21 Bamlibala u-Tîxo umsindisi wabo,
Owenza imisebenzi emikûlu e-Yiputa;
22 Imisebenzi ebalulekileyo ezweni lakwa-Ham,
Imisebenzi eyoyikekayo e-Lwandle olubomvu.
23 Watî uya kubatshabalalisa,
Koko wesukayo u-Moses, umnyulwa wakê,
Wema etûbeni pâmbî kwakê,
Ebuyisa ubushushu bakê, ukuba angatshabalalisi.
24 Bacekisa ilizwe elinqwenelekayo,
Abakôlwa lilizwi lakê.
25 Baŕoŕa en-tenteni zabo,
Abalipûlapûla izwi lika-Yehova.
26 Wabapâkamisela isandla sakê,
Wafungela ukuba abawise entlango;
27 Ayiwise imbêwu yabo pâkatî kwentlanga,
Abacîtâcîtê emazweni.
28 Bazibandakanya no-Bahali-pehore,
Badla imibingelelo yabafileyo,
29 Baqumbîsa ngentlondi zabo,
Sagaleleka pâkatî kwabo isibetô.
30 Wesuka wema u-Pinehasi, walamla;
Satîntelwa isibetô.
31 Oko kwabalelwa kuye ekutîni bulungisa,
Izizukulwana ngezizukulwana kude kuse epâkadeni.
32 Bamqumbîsa emanzini ase-Meriba,
Kwehla ububi ku-Moses ngenxa yabo;
33 Ngokuba bawupîkisa umoya wakê;
Wapololoza-ke ngomlomo wakê.
34 Abazitshabalalisa izizwe,
Awayetétê ngazo kubo u-Yehova;
35 Baxubana nentlanga-ezo,
Bafunda izenzo zazo;
36 Bakônza izitîxo zazo,
Yaba sisifintyelo kubo;
37 Babingelela ngonyana babo nangentombî zabo kwi-demon;
38 Bapâlaza igazi elimsulwa,
Igazi lonyana babo nelentombî zabo,
Ababingelela ngabo kwizitîxo zakwa-Kanan,
Lahlanjelwa ilizwe ngamagazi.
39 Baba zinqambî ngezenzo zabo,
Bahenyuza ngentlondi zabo.
40 Wavutâ-ke umsindo ka-Yehova kubantu bakê,
Laba lisikizi kuye ilifa lakê.
41 Wabanikela ezandleni zentlanga,
Balaulwa ngababatîyileyo.
42 Zabaxina intshaba zabo,
Batôtyelwa pântsi kwezandla zazo.
43 Zibe zininzi izihlandlo ebahlangula;
Ke bona bampîkisa ngamaqinga abo,
Bonakala bugwenxa babo.
44 Noko-ke wakunonelela ukubandezelwa kwabo,
Akuva ukuhlahlambâ kwabo.
45 Wawukûmbûla ngenxa yabo umnqopîso wakê,
Wazohlwaya ngenxa yobuninzi benceba zakê.
46 Wabafumanisa imfesane
Pâmbî kwabo bonke abaye bebatîmbîle.

Digitized by Google

47 Sisindise, Yehova, Tixo wetú,
Sibutê ezintlangeni,
Ukuze sibulele kwigama lakô elingcwele,
Sizingce ngendumiso yakô.

48 Makabongwe u-Yehova, u-Tíxo ka-Sirayeli,
Kususela kwapâkade kude kuse epâkadeni,
Mabatí bonke abantu, Amen.
Haleluya.

107 Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile,
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
2 Mabatsho abakûlulwa baka-Yehova,
Awabakûlulayo esandleni sombandezeli,
3 Wababutâ emazweni,
Empumalanga nasentshonalanga,
E-Ntla naselwandle.

4 Badinga entlango, endleleni esenkangala,
Abafumana mzi wokuhlala.
5 Belambíle benxaniwe,
Watŷafa pâkatí kwabo umpêfumlo wabo.
6 Bakâla-ke ku-Yehova embândezelweni yabo,
Wabahlangula ekucutêkeni kwabo;
7 Wabanyatêlisa endleleni etê-tye,
Ukuba baye kumzi wokuhlala.
8 Mabayibulele ku-Yehova inceba yakê,
Nemisebenzi yakê ebalulekileyo konyana baka-Adam!
9 Kuba ewuhlutisile umpêfumlo otshobayo,
Wawazalisa ngokulungileyo umpêfumlo olambíleyo.

10 Behleli emnyameni nasetûnzini lokufa,
Bekônxwe yimbândezelo nasinyiti,
11 Ngokuba bepíkise amazwi ka-Tíxo,
Belitshitshisa icebo l-Osenyangweni;
12 Wayitôba intliziyo yabo ngokubasebenzisa kanzima.
Bakûbeka, akwabikô mncedi.
13 Bakâla-ke ku-Yehova embândezelweni yabo;
Wabasindisa ekucûtekeni kwabo.
14 Wabakûpâ emnyameni nasetûnzini lokufa,
Waziqâula imbôpêlelo zabo.
15 Mabayibulele ku-Yehova inceba yakê,
Nemisebenzi yakê ebalulekileyo konyana baka-Adam!
16 Kuba ezapûle ingcango zobêdu,
Wayixakaxa imivalo yesinyiti.

17 Abamatíleyo ngenxa yendlela yokuřeqa kwabo,
Nangenxa yobugwenxa babo bacinezelwa.
18 Konke ukudla kwaba lisikizi kumpêfumlo wabo;
Bafika emasangweni okufa.
19 Bakâla-ke ku-Yehova embândezelweni yabo,
Wabasindisa ekucûtekeni kwabo.
20 Watûmela ilizwi lakê, wabapílisa,
Wabasiza ezihogweni zabo.
21 Mabayibulele ku-Yehova inceba yakê,
Nemisebenzi yakê ebalulekileyo konyana baka-Adam!
22 Mababingelele imibingelelo yombulelo,
Bancokole ngezenzo zakê bememelela.

23 Abaya elwandle ngenqanawa,
Benze ishishini emanzini amaninzi;
24 Bazibona bona izenzo zika-Yehova
Nemisebenzi yakê ebalulekileyo enzulwini.
25 Watsho, wavusa umoya ovutûzayo,
Wapâkamisa amaza ayo.
26 Banyuka basinge ezulwini, behle basinge emanzini enzonzobila;
Umpêfumlo wabo utâ amandla bububi.
27 Batendeleka, bahexe njengenxila,
Butshone bonke ubulumko babo.
28 Bakâla-ke ku-Yehova embândezelweni yabo,
Wabakûpâ ekucûtekeni kwabo.
29 Ukumisile ukuvutûza kwatí-cwaka,
Amaza ayo azola.
30 Bavuya-ke, kuba edambíle;
Wabafikisa ecŵebeni abalilangazelelayo.
31 Mabayibulele ku-Yehova inceba yakê,
Nemisebenzi yakê ebalulekileyo konyana baka-Adam!
32 Bampâkamise ebandleni labantu,

Digitized by Google

Bamdumise embutwêni yamadoda amakûlu.

33 Uyenze imilambô yaba zintlango,
Namatêndo amanzi aba ngumhlaba onxaniweyo,
34 Ilizwe elineziqâmo laba leletyuwa,
Ngenxa yento ezimbî zabemi balo.
35 Uyenze intlango yaba lidike elinamanzi,
Ilizwe elingumqwebedu laba ngamatênde amanzi.
36 Wabahlalisa kôna abalambîleyo,
Bamisa umzi wokuhlala.
37 Bahlwayela amasimi, batyala izi-diliya,
Bavelisa iziqâmo, banengeniselo.
38 Wabasikelela, banda kunene;
Inkomo zabo akazincipîsa.
39 Bancipâ, basibekeka
Ngokukânyangwa bububi nesinqâla.
40 Uwagalele ngendelo amanene,
Wawadingisa enyanyeni kungekô ndlela.
41 Walisa engxondeni ihlwempu kude nengcinezelo,
Walenzela imizalwana yanjengomhlambî.
42 Baya kubona abatê-tye, bavuye;
Bonke ubugqwetâ buvale umlomo.
43 Lowo ulumkileyo makazigcine ezindawo
Azigqale inceba zika-Yehova.

Ingoma. Umhobe ka-Davide.

108 Izimasekile intliziyo yam, Tîxo,
Ndiya kuvuma, ndibetê uhadi,
Kwa nozuko lwam.
2 Vukani, mfubê nohadi;
Ndiya kusipângela isifingo.
3 Ndiya kubulela kuwe pâkatî kwezizwe, Yehova,
Ndikubetêle uhadi pâkatî kwezizwe.
4 Ngokuba inkulu ngapêzu kwamazulu inceba yakô,
Yada yesa esibâkabâkeni inyaniso yakô.
5 Zipâkamise ngapêzu kwamazulu, Tixo,
Bube pêzu komhlaba wonke ubuqaqauli bakô.
6 Ukuze zihlangulwe intânda zakô;
Sindisa ngesandla sakô sokunene, undipêndule.
7 U-Tîxo utêtê engcwele; mandivuyelele,
Ndimabe u-Shekem, ndiyilinganisele intili yase-Sukoti.
8 Ngowam u-Giliyadi, ngowam u-Manase,
U-Efrayim sigcina-ntloko sam,
U-Yuda yintonga yam yommiselo,
9 U-Mowabi sisitya sam sokuhlambêla,
Ndiyipôsa ku-Edom imbâdada yam;
Ndiduma ngelama-Filisti.
10 Ngubanina owondisa emzini onqatyisiweyo,
Ngubanina owondikâpela kwa-Edom?
11 Asinguwe-na, Tixo, lo usihlambîleyo?
Akwapûma, Tîxo, nemikôsi yetû.
12 Sincede kumbandezeli wetû;
Alunto yanto usindiso lomntu.
13 Ngo-Tîxo siya kweyisa,
Abagqushe yena ababandezeli betû.

Kumongameli; eka-Davide. Umhobe.

109 Tîxo wendumiso yam, mus'ukutî-tu;
2 Ngokuba bandakâmisele umlomo ongendawo, nonenkohliso;
Batêtâ ngam ngolwimi lobuxoki.
3 Bandijikele ngentetô zentîyo;
Balwa nam ngelizé.
4 Ekubeni mna ndibatânda bona bandicâsa,
Ndibe mna nditândaza.
5 Endaweni yobulungisa bandibuyekeza ngobubi, Ekubeni mna ndibatânda bona bayanditîya.
6 Misa ongendawo abe ngumvelcli wakê,
Eme u-Satana ngasekunene kwakê.
7 Ekutétwêni kwetyala makapûme engongendawo,
Nomtândazo wakê ube sisono.
8 Imihla yakê mayibe mbalwa,
Mabutâtyatwe ngomnye ubuvelcli bakê.
9 Onyana bakê mababe zinkedama,
Nomkakê abe ngumhlolokazi,
10 Babâdule bebâdula onyana bakê, becela,
Benqîba bekude namanxuwa akowabo.
11 Umboleki-mali makakushwankatêle konke anako,
Abasemzini bapânge ukuxelenga kwakê.

Digitized by Google

12 Makungabikô wolulela nceba kuye,
Kungabikô uzibabalayo inkedama zakê.
13 Izivela-mva zakê zibe zezokunqunyulwa,
Igama lazo licinywe esizukulwaneni esizayo.
14 Mabukûnjulwe ngu-Yehova ubugwenxa boyise,
Singacinywa isono sonina.
15 Masibe pambi ko-Yehova ngamaxesha onke,
Akunqumle emhlabeni ukukûnjulwa kwabo.
16 Ngenx' enokuba engakukûmbûlanga ukwenza inceba,
Etshutshise indoda elusizana,
Elihlwempu, enentliziyo eyotûkileyo, ukuba ayibulale.
17 Ewe, watânda ukuqalekisa, kwamfikela;
Akakufuna ukusikelela, kwakwelela kude kuye.
18 Wambâtâ ukuqalekisa kwanga yingubo yakê,
Kwangena embilinini wakê njengamanzi,
Nanjenge-oli ematânjeni akê.
19 Makube njengengubo kuye, azitê-wambû ngayo,
Kube luqwemesha, alunxibe amaxesha onke.
20 Nguwo lowo umvuzo wabandicâsayo opûma ku-Yehova,
Wabatêtâ okubi ngompêfumlo wam.
21 Ke wena Yehova, Nkosi, ndenzele ngenxa yegama lakô;
Ngokokuba ilungile inceba yakô; ndihlangule.
22 Ngokuba ndilusizana ndilihlwempu,
Intliziyo yam ihlatyiwe pâkatî kwam.
23 Ndinjengetûnzi xa lolukayo, ndiyemka;
Ndipêtshetwa njengenkumbî.
24 Amadolo am ayagexa kuzila ukudla,
Nenyama yam ibityile, tu ukutyeba.
25 Nditê ndasingcikivo kubo,
Bendibona, bahlunguzela intloko.
26 Ndincede, Yehova, Tixo wam,
Ndisindise ngokwenceba yakô;
27 Bazi ukuba sisandla sakô eso,
Ukuba kukwenza kwakô, Yehova.
28 Bayaqalekisa aba, uyasikelela wena;
Basuk'umile, baya kudana; uya kuvuya yena umkônzi wakô.
29 Abandicâsayo baya kwambâtâ ihlazo,
Bazitî-wambû ukudana njengengubo yokwaleka.
30 Ndiya kubulela kakûlu ku-Yehova ngomlomo wam,
Ndimdumise pâkatî kwabaninzi;
31 Kuba emi ekunene kolihlwempu,
Ukuba amsindise kwabawugwebayo umpêfumlo wakê.

Eka-Davido. Umhobe.

110 Utsho u-Yehova e-Nkosini yam ukutî,
Hlala ngasekunene kwam,
Ndide intshaba zakô ndizenze
Isi-tulo senyawo zakô.
2 Intonga yamandla akô uya kuyitûmela u-Yehova, ivela e-Tsiyon, esitî,
Yiba nobukôsi pâkatî kwentshaba zakô.
3 Abantu bakô bayakuzinikela ngentliziyo ngemini yakô yokupûma umkôsi;
Bevetê ezingcwele, ekupûmeni kwesifingo
Uza kuwe umbetê womlisela wakô.
4 Ufungile u-Yehova, akayi kuzohlwaya, utê,
Ungumenzeleli ngonapâkade wena
Ngokohlobo luka-Malki-tsedeki.
5 I-Nkosi ngasekunene kwakô
Iya kupâlusa okumkani ngemini yomsindo wayo;
6 Iya kugweba pâkatî kwentlanga, kuzale zidûmbû;
Ipâluse intloko ezweni elibanzi.
7 Endleleni iya kusela emlanjaneni;
Ngenxa yoko iya kupâkamisa intloko.

111 Haleluya.
Ndiyakubulela ku-Yehova ngentliziyo yonke,
Elucweyweni lwabatê-tye nasebandleni.
2 Zikûlu izenzo zika-Yehova,
Zezokunxôkwa intsingiselo zazo zonke.
3 Unendili nobungangamela umsebenzi wakê,
Ubulungisa bakê bumi ngonapâkade.
4 Uyenzele ukuze ikûnjulwe imisebenzi yakê ebalulekileyo;
Unobabalo nemfesane u-Yehova.
5 Ubapê ukudla abamoyikayo;

Digitized by Google

Uwukûmbûle ngonapâkade umnqopîso wakê.
6 Ubabonise abantu bakê amandla ezenzo zakê,
Ebanika ilifa lentlanga.
7 Izenzo zezandla zakê yinyaniso nesiko;
Zitêmbêkile zonke iziyalezo zakê.
8 Zizimasekile nanini nangonapakade;
Zenziwe ngenyaniso, zitê-tye.
9 Ubatûmele abantu bakê inkululeko;
Uwumisele ngonapâkade umnqopîso wakê;
Lingcwele, liyoyikeka igama lakê.
10 Ingqalo yobulumko kukoyika u-Yehova,
Banengqiqo elungileyo bonke abenza ngako,
Indumiso yakê ihlala imi.

112 Haleluya.
Hayi uyolo lomntu omoyikayo u-Yehova,
Ononelele kunene imitêtô yakê!
2 Iya kuba nobugofa emhlabeni imbêwu yakê;
Isizukulwana sabatê-tye sisikelelwe.
3 Bubuncwane nobutyebi endlwini yakê;
Ubulungisa bakê buhlala bumi.
4 Bapûnyelwa kukânya ebumnyameni abatê-tye,
Benobabalo, nemfesane, nobulungisa.
5 Unoyolo umntu obabalayo, aboleke;
Uya kuyimisa intetô yakê ematyaleni.
6 Ngokuba akayi kushukunyiswa napâkade;
Uya kuba lilungisa elikûnjulwa ngonapâkade.
7 Akoyikiswa zindaba ezimbî;
Iqinisekile intliziyo yakê, ikôlose ngo-Yehova.
8 Izimasekile intliziyo yakê, akoyiki;
Uya kude ababonele ababandezeli bakê.
9 Uyahlakaza, upâ amahlwempu;
Ubulungisa bakê buhlala bumi.
Upôndo lwakê lupâkamile, lunozuko.
10 Ogendawo uya kukubona, aqumbê,
Atshixize amazinyo, anyibilike;
Umnqweno wongendawo uyadaka.

113 Haleluya.
Dumisani, bakônzi baka-Yehova,
Dumisani igama lika-Yehova.
2 Malibongwe igama lika-Yehova
Kususela ngoku-nje kude kuse epâkadeni.
3 Kwasekupûmeni kwelanga kuse ekutshoneni kwalo
Malidunyiswe igama lika-Yehova.
4 Upâkamile ngapêzu kwentlanga zonke u-Yehova,
Bungapêzulu kwamazulu ubuqaqauli bakê.
5 Ngubanina onjengo-Yehova, u-Tixo wetû,
Ulohlala pêzulu,
6 Uloqondela pântsi
Ezulwini nasemhlabeni?
7 Ulomvusa elutûlini osweleyo,
Ulompâkamisa ezaleni olihlwempu,
8 Ukuba amhlalise namanene,
Amanene abantu bakê;
9 Ulohlalis' endlwini umfazi ongazaliyo
Abe ngunobantwana ovuyayo.
Haleluya.

114 Ekupûmeni kuka-Sirayeli e-Yiputa,
Kwendlu ka-Yakobi ebantwini abantetô ingaziwayo.
2 U-Yuda waba yingcwele yakê;
U-Sirayeli waba sikumkani sakê.
3 Ulwandle lwabona lwasaba,
I-Yordan yabuya umva.
4 Intaba zadloba njengenkunzi zegusha,
Induli njengamatâkane omhlambî.
5 Ubunanina, lulwandlendini, ukuba usabe?
Wena Yordan, ukuba ubuye umva?
6 Nina zintaba, ukuba nidlobe njengenkunzi zegusha?
Nina zinduli, njengamatâkane omhlambî?
7 Wena mhlaba, zibijabije ebusweni beNkosi,
Ebusweni bo-Tixo ka-Yakobi,
8 Uloguqula iliwa libe lidike lamanzi,
Iqwita libe yimitômbô yamanzi.

115 Ungazukisi tîna, Yehova, ungazukusi tîna,
Zukisa igama lakô,

Digitized by Google

Ngenxa yenceba yakô, ngenxa yenyaniso yakô.
2 Yinina ukuba zitî intlanga,
Upîna kaloku u-Tîxo wabo?
3 U-Tîxo wetû-ke usemazulwini,
Konke akutândileyo uyakwenza.
4 Izitîxo zazo yi-silvere negolide,
Zizenzo zezandla zabantu.
5 Zinomlomo-nje azitêtî,
Zinamehlo-nje aziboni,
6 Zinendlebe-nje aziva,
Zinempumlo-nje azisezeli.
7 Izandla zazo azipâtî,
Inyawo zazo azihambî,
Azidumzeli ngomqala wazo.
8 Boba njengazo abenzi bazo,
Bonke abasukuba bekôlose ngazo.
9 Wena Sirayeli, kôlosa ngo-Yehova,
Uncedo lwabo nengweletshetshe yabo nguye.
10 Nani bendlu ka-Aron, kôlosani ngo-Yehova,
Uncedo lwabo nengweletshetshe yabo nguye.
11 Nina boyiki baka-Yehova, kôlosani ngo-Yehova,
Uncedo lwabo nengweletshetshe yabo nguye.
12 U-Yehova usikûmbûle, wosisikelela;
Woyisikelela indlu ka-Sirayeli,
Woyisikelela indlu ka-Aron,
13 Wobasikelela aboyiki baka-Yehova,
Abancinane kwa nabakûlu.
14 U-Yehova wonandisa nina ngakumbî nangakumbî,
Abandise onyana benu.
15 Nisikelelekile ku-Yehova,
U-Menzi wezulu nomhlaba.
16 Amazulu ngamazulu ka-Yehova,
Umhlaba uwunike onyana baka-Adam.
17 Asingabafileyo abamdumisayo u-Yehova,
Asingabo bonke abehlayo baye kwelokuzola.
18 Tîna-ke siya kumbonga u-Yehova,
Kususela koku kude kuse epâkadeni.
Haleluya.

116 Ndiyamtânda, ngokuba u-Yehova eliva
Izwi lam, ukutafuzisa kwam.
2 Ngokuba enditôbele indlebe yakê,
Ndiya kumnqula ngemihla yam yonke.
3 Izintya zokufa zandijikela,
Ingxingongo zelabafileyo zandifumana,
Ndafunyanwa zimbândezelo nesinqâla.
4 Ndanqula-ke igama lika-Yehova, ndatî,
Yehova, ndiyakukûnga, siza umpêfumlo wam.
5 U-Yehova unobabalo, ulilungisa,
U-Tîxo wetû unemfesane.
6 Ngumgcini wabazidenge u-Yehova;
Ndandiswele, wandisindisa.
7 Buyela ekupûmleni kwakô, mpêfumlo wam,
Ngokuba u-Yehova ukupâtâ kakuhle.
8 Ngokuba ewuhlangule umpêfumlo wam ekufeni,
Iliso lam ezinyembêzini,
Unyawo lwam ekungqulekeni.
9 Ndiya kuhambâhambâ pâmbî ko-Yehova
Emazweni abapîlileyo.
10 Ndiyakôlwa, xa nditêtâyo,
Mna ndicinezelekile kunene.
11 Ndatî mna ekupâkuzeleni kwam.
Bonke abantu ngamaxoki.
12 Ndingambuyisela nganto-nina u-Yehova
Konke ukundipâtâ kwakê kakuhle?
13 Ndopâkamisa indebe yosindiso,
Ndinqule igama lika-Yehova.
14 Ewe, ndozizalisa izibâmbâtîso zam ku-Yehova,
Pâmbî kwabantu bakê bonke kalokunje.
15 Kunqabile emehlweni ka-Yehova
Ukufa kwabakê benceba.
16 Atî-ke Yehova ndingumkônzi wakô,
Ndingumkônzi wako, unyana womkônzazana wakô,
Uzicombûlule imbôpêlelo zam.
17 Ndiya kubingelela kuwe umbingelelo wombulelo,
Ndinqule igama lika-Yehova.
18 Ewe ndiya kuzizalisa izibâmbâtîso zam ku-Yehova,
Pâmbî kwabantu bakê bonke;
19 Ezintendelezweni zendlu ka-Yehova,
Esazulwini sakô, Yerusalem.
Haleluya.

117 Mdumiseni u-Yehova, nonke zintlanga,
Mncomeni, nonke zizwe.

Digitized by Google

2 Ngokuba inamandla kutĩ inceba yakê,
Inyaniso ka-Yehova ingunapâkade.
Haleluya.

118 Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile,
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
2 Makatĩ u-Sirayeli,
Ingunapâkade inceba yakê.
3 Mayitĩ indlu ka-Aron,
Ingunapâkade inceba yakê.
4 Mabatĩ abamoyikayo u-Yehova,
Ingunapâkade inceba yakê.
5 Ndabiza u-Yehova ndisengxingongweni;
Wandipêndula u-Yehova, wandibeka endaweni ebanzi.
6 U-Yehova ungakum, andoyiki;
Angandenza nto-nina umntu?
7 U-Yehova ungakum ngokundinceda;
Ndiya kubona mna kwabanditĩyayo.
8 Kulungilo ukuzimela ngo-Yehova
Ngapêzu kokukôlosa ngomntu.
9 Kulungile ukuzimela ngo-Yehova
Ngapêzu kokukôlosa ngamanene.
10 Zingafanelana zonke intlanga zindĩaule:
Ngegama lika-Yehova inene ndozinqumla.
11 Zingafanelana zindĩaule zandĩaula:
Ngegama lika-Yehova inene ndozinqumla.
12 Zingafanelana zindĩaule njengenyosi:
Zocinywa njengomlilo wentsasa;
Ngegama lika-Yehova inene ndozinqumla.
13 Unditĩyale ngamandla wena ukuba ndiwe;
Kodwa u-Yehova wandinceda.
14 Iqâyiya lam nengoma yam ngu-Yehova,
Waba lusindiso kum.
15 Izwi lokumemelela nelosindiso lisezin-tenteni zamalungisa, lisitĩ,
Isandla sokunene sika-Yehova siyeyisa;
16 Isandla sokunene sika-Yehova sipâkamile;
Isandla sokunene sika-Yehova siyeyisa.
17 Andikufa, ndiya kudla ubomi;
Ndibalise ngezenzo zika-Yehova.
18 U-Yehova undităsê kakâlu,
Ke akandinikela ekufeni.
19 Ndivuleleni amasango obulungisa,
Ndiya kungena ngawo, ndiya kubulela ku-Yehova.
20 Nali isango lika-Yehova,
Amalungisa angena ngalo.
21 Ndiyabulela kuwe kuba undipêndule,
Waba lusindiso kum.
22 Ilitye abalilahlayo abakĩ
Laba yintloko yembômbô.
23 Livele ku-Yehova lona,
Lingumsebenzi obalulekileyo emehlweni etû.
24 Le yimini ayenzileyo u-Yehova,
Masigcobe sivuye ngayo.
25 Yehova, camagu kâusindise,
Yehova, camagu kâuhlangule.
26 Makabongwe lo uzayo esegameni lika-Yehova,
Siyanisikelela nina basendlwini ka-Yehova,
27 U-Yehova ngu-Tĩxo, usikânyisele;
Bopêlelani umbingelelo womtêndeleko ngentambô,
Kude kuye ezimpondweni zesibingelelo.
28 Ungu-Tĩxo wam, ndiya kubulela kuwe;
Ungu-Tĩxo wam, ndiya kukupâkamisa.
29 Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile.
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.

119 Hayi uyolo lwabandlela igqibeleleyo,
Bona bahambâyo ngomyalelo ka-Yehova!
2 Hayi uyolo lwababambê izinqĩniso zakê,
Abamfuna ngentliziyo epêleleyo!
3 Abasebenzi nokusebenza bugqwetâ,
Bayahamba ngendlela zakê.
4 Uzimisile iziyalezo zakô,
Ukuba zigcinwe kunene.
5 Azaba indlela zam bezibêkiselwe
Ukugcina imimiselo yakô!
6 Bendingayi kudana-ke
Ekubêkeni kwam kwimitêtô yakô yonke.
7 Ndiya kubulela kuwe ngentliziyo etê-tye,
Ekuzifundeni kwam izigwebo zobulungisa bakô.

Digitized by Google

8 Ndiya kuyigcina imimiselo yakô,
Mus' ukundishiya kupêle.

9 Umfana uya kuwuqaqambîsa ngantonina umendo wakê?
Ngokuzigcina ngokwelizwi lakô.
10 Ndiya kufuna wena ngentliziyo yam yonke;
Mus' ukundilahlekanisa nemitêtô yakô.
11 Ndiyibeke intetô yakô entliziyweni yam,
Ukuze ndingôni kuwe.
12 Ungowokubongwa, Yehova;
Ndifundise imimiselo yakô
13 Ndiyawabalisa ngemilebe yomlomo wam
Onke amasiko omlomo wakô.
14 Ndinemihlali endleleni yezinqîniso zakô,
Ngatî kusebuncwaneni bonke.
15 Ndiya kucamngca ngeziyalezo zakô;
Ndibêke kumendo wakô.
16 Ndiyaziyolisa ngemimiselo yakô;
Andikulilibala ilizwi lakô.

17 Mpâtê kakuhle umkônzi wakô, ndidle ubomi,
Ndigcine ilizwi lakô.
18 Vula amehlo am, ukuba ndiyibone
Imisebenzi ebalulekileyo yasemyalelweni wakô
19 Ndingumpâmbûkeli emhlabeni,
Mus'ukuyisitêlisa kum imitêtô yakô.
20 Umpêfumlo wam ucumkile ngokulangazelela
Amasiko akô ngamaxesha onke.
21 Ubakâlimele abakûkûmali,
Abaqalekiswa-abo balahlekeneyo nemitêtô yakô.
22 Shenxisa imke kum ingcikivo nendelo,
Ngokuba ndizibambîle izinqîniso zakô.
23 Nangona abatêtêli behlala batêtê ngam,
Umkônzi wakô yena ucamngca ngemimiselo yakô.
24 Izinqîniso zakô ziziyoliso zam noko,
Zingamapâkatî am.

25 Umpêfumlo wam unamatêle elutûlini;
Ndipîlise ngokwelizwi lakô.
26 Ndizicacisile indlela zam, wandipêndula;
Ndifundise imimiselo yakô.
27 Ndiqondise indlela zeziyalezo zakô,
Ndicamngce ngemisebenzi yakô ebalulekileyo.
28 Umpêfumlo wam uvuza inyembêzi sinqâla,
Ndimise ngokwelizwi lakô.
29 Indlela yobuxoki yisuse kum;
Ndibabale umyalelo wakô.
30 Ndiyinyule indlela yokutêmbêka;
Amasiko akô ndijolise kuwo.
31 Ndinamatêle ezinqînisweni zakô;
Mus'ukundidanisa, Yehova.
32 Ndigidima ngendlela yemitêtô yakô,
Ngokuba uyenze banzi intliziyo yam.

33 Ndiyalele, Yehova, indlela yemimiselo yakô,
Ndiyibambê kupêle.
34 Ndiqondise, ndibambê umyalelo wakô,
Ndiwugcine ngentliziyo yonke.
35 Ndinyatêlise endleleni yemitêtô yakô,
Ngokuba ndiyitândile.
36 Intliziyo yam yitôbele ezinqînisweni zakô,
Ungayitôbeli ekubaweni.
37 Dlulisa amehlo am angakângeli inkohlakalo,
Ndipîlise ngendlela zakô.
38 Zalisa kumkonzi wakô intetô yakô,
Eyokuba bakoyike.
39 Yidlulise ingcikivo yam endinxungupâla yiyo,
Ngokuba amasiko akô alungile.
40 Nanku ndilangazelela iziyalezo zakô,
Ndipîlise ngobulungisa bakô.

41 Mazize kum inceba zakô, Yehova,
Nosindiso lwakô ngokwentetô yakô;
42 Ndimpêndule ngelizwi ondingcikivayo,
Ngokuba ndikôlose ngelizwi lakô.
43 Mus' ukude ulihlute emlonyeni wam ilizwi lenyaniso,
Ngokuba ndilindele izigwebo zakô.
44 Ndiwugcine umyalelo wakô ngamaxesha onke,
Ngonapâkade kanapâkade;
45 Ndihambâhambê endaweni ebanzi,
Ngokuba ndifuna iziyalezo zakô;
46 Nditêtê ngezinqînisno zakô pâmbî kokumkani,
Ndingabi nakudana.

Digitized by Google

47 Ndiziyolise ngemitêtô yakô
Endiyitândayo;
48 Ndizipâkamise izandla zam emitêtweni yakô endiyitândayo,
Ndicamngca ngemimiselo yakô.

49 Kûmbûla ilizwi lakô kumkônzi wakô,
Ngenx' enokuba unditêmbîse lona.
50 Yiyo le intutûzelo yam ekucinezelekeni kwam,
Yokuba intetô yakô indipîlisile.
51 Abakûkûmali bade bandigxeka kakûlu;
Kanti anditî-gubucala emyalelweni wakô.
52 Ndakûmbûla amasiko akô kususela kwanapakade, Yehova,
Ndatûtûzeleka.
53 Ndingenwe ngumsindo oshushu,
Ndisenziwa ngabangendawo abalahla umyalelo wakô.
54 Izingoma kum imimiselo yakô,
Endlwini yokupâmbûkela kwam.
55 Ndilikûmbûle ebusuku igama lakô, Yehova,
Ndawugcina umyalelo wakô.
56 Ndinikwe oku,
Ukuba ndibambê iziyalezo zakô.

57 Isabelo sam, Yehova, nditî,
Sesokuba ndigcine amazwi akô.
58 Ndiya kubongoza ngentliziyo yonke,
Ndibabale ngokwentetô yakô.
59 Ndazicingela indlela zam,
Ndazibuyisela inyawo zam ezinqînisweni zakô.
60 Ndikâulezile andazilazila
Ukugcina imitêtô yakô.
61 Izintya zabangendawo zinditândele,
Andiwulibele umyalelo wako noko.
62 Ndivuka pâkatî kobusuku, ndibulele kuwe
Ngenxa yezigwebo zobulungisa bakô.
63 Ndilidlelane labo bonke abakoyikayo,
Nelabazigcinayo iziyalezo zakô.
64 Inceba yakô, Yehova, izalise umhlaba,
Ndifundise imimiselo yakô.

65 Umenzele okulungileyo umkônzi wakô,
Yehova, ngokwelizwi lakô.
66 Ndifundise ndibe nemvo nokwazi okulungileyo,
Ngokuba ndikôlwa yimitêtô yakô.
67 Ndingekacinezelwa ndaye ndilahleka,
Kungoku ndiyigcinile intetô yakô.
68 Ulungile wena, ulungisa;
Ndifundise imimiselo yakô.
69 Abakûkûmali batûngele ubuxoki ngam;
Mna ndizibambâ ngentliziyo yonke iziyalezo zakô.
70 Itê-fiti kutyeba intliziyo yabo;
Ke mna ndiziyolisa ngomyalelo wakô.
71 Kundilungele okokuba ndacinezelwayo,
Ukuze ndiyifunde imimiselo yakô.
72 Ulungile kum umyalelo womlomo wakô
Ngapêzu kwamawaka e-golide ne-silvere.

73 Izandla zakô zindenzile, zandilungisa,
Ndiqondise, ndifunde imitêtô yakô.
74 Abakoyikayo bondibona, bavuye,
Ngokuba ndilindele elizwini lakô.
75 Ndiyazi, Yehova, ukuba zinobulungisa izigwebo zakô,
Undicinezele utêmbêkile.
76 Ngamana inceba yakô yaba yeyokunditûtûzela,
Njengokwentetô yakô kumkônzi wakô.
77 Mazize kum imfesane zakô, ndipîle;
Ngokuba umyalelo wakô undiyolisa.
78 Mabadane abakûkûmali, ngokuba bendigobele pântsi ngobuxoki,
Mna ndicamngca ngeziyalezo zakô.
79 Mabandibuyele abakoyikayo,
Nabazaziyo izinqîniso zakô.
80 Mayigqibelele intliziyo yam emimiselweni yakô,
Ukuze ndingadani.

81 Umpêfumlo wam uyapêla kulangazelela usindiso lwakô,
Ndilindele elizwini lakô.
82 Amehlo am ayapêla kulangazelela intetô yakô,
Ndisitî, Uya kunditûtûzela ninina?
83 Noko nditê ndaba njengentsuba emsini,
Andiyilibali imimiselo yakô.
84 Zingapîna intsuku zomkônzi wakô?
Uya kude ubagwebe ninina abandisukelayo?
85 Abakûkûmali bandimbêle izihogo,
Abange ngamyalelo wakô.

Digitized by Google

86 Yonke imitêtô yakô itêmbêkile;
Bandisukela ngobuxoki; ndincede.
87 Bapânts' ukundigqibela emhlabeni,
Ke mna andizilahli iziyalezo zakô.
88 Ndipîlise ngokwenceba yakô,
Ndizigcine izinqîniso zomlomo wakô.

89 Lingunapâkade, Yehova,
Limi ezulwini ilizwi lakô.
90 Ukutêmbêka kwakô kukwizizukulwana ngezizukulwana;
Uwuzinzisile umhlaba, wema.
91 Ezonto zimele izigwebo zakô nanamhla,
Ngokuba into zonke zingabakônzi bakô.
92 Koko umyalelo wakô wandiyolisayo,
Ngendapêlayo ekucinezelekeni kwam.
93 Andiyi kuzilibala napâkade iziyalezo zokô,
Ngokuba undipîlisile ngazo.
94 Ndingowakô mna, ndisindise,
Kuba ndicamanga ngeziyalezo zakô.
95 Abangendawo bandilindile ukuze banditshabalalise;
Mna ndigqale izinqîniso zakô.
96 Yonke inzaliseko ndiyibonile apô ipêla kôna;
Ke wona umtêtô wakô ngumpângalala omkûlu.

97 Hayi ukuwutânda kwam umyalelo wakô!
Imini le yonke ndiyacamngca ngawo.
98 Indifundisa ubulumko ngapêzu kwentshaba zam imitêtô yakô,
Ngokuba yeyam ngonapâkade.
99 Ndinokuqiqa ngapêzu kwabafundisi bam bonke,
Ngokuba ngezinqîniso zakô ndiyacamngca.
100 Ndinokuqonda ngapêzu kwamadoda amakûlu,
Ngokuba ndizibambâ iziyalezo zakô.
101 Ndizinqandile inyawo zam kwindlela zonke ezimbî,
Ukuze ndiligcine ilizwi lakô.
102 Andisuki emasikweni akô,
Ngokuba undiyalile wena.
103 Hayi ukuba mnandi kwentetô yakô emakûhlangubeni am!
Igqitê nobusi emlonyeni wam.
104 Ngeziyalezo zakô ndinokuqonda,
Ngenxa yoko ndiwutîyile wonke umendo wobuxoki.

105 Lisibane senyawo zam ilizwi lakô,
Likukânya emendweni wam.
106 Ndikufungele, ndikumisile
Ukuzigcina izigwebo zobulungisa bakô.
107 Ndide ndacinezeleka kakûlu;
Yehova, ndipîlise ngokwelizwi lakô.
108 Ngamana wakôleka kuwe, Yehova, umbingelelo wesisa womlomo wam,
Ndifundise amasiko akô.
109 Umpêfumlo wam uhlala usesandleni sam,
Ndingawulibali umyalelo wakô.
110 Abangendawo bandenzele umgibe,
Andipâmbûkanga eziyalezweni zakô;
111 Ndizidle ilifa izinqîniso zakô ngonapâkade,
Ngokuba ziyimihlali yentliziyo yam;
112 Intliziyo yam ndiyitôbele ekwenzeni imimiselo yakô
Ngonapâkade, kupêle.

113 Abambâxa ndiyabatîya;
Umyalelo wakô ndiwutânde.
114 Isitê lam nengweletshetshe yam nguwe,
Ndilindele elizwini lakô.
115 Sukani kum, nina benzi bento ezimbî;
Ndibambê imitêtô yo-Tîxo wam.
116 Ndizimase ngokwelizwi lakô, ndipîle,
Ungandidanisi ekulindeni kwam.
117 Ndixâse ndisinde,
Ndihlale ndibêke emimiselweni yakô.
118 Ubacukucezile bonke abalahlekana nemimiselo yakô,
Ngokuba inkohliso yabo ibuxoki.
119 Wena ususa bonke abangendawo bomhlaba njengentlenga.
Ngoko ndiyazitânda izinqîniso zakô.
120 Inyama yam isuka ihambê kunkwantyiswa nguwe,
Ndizoyike izigwebo zakô.

121 Ndenza ngesiko nangobulungisa,
Ungandinikeli kwabandicudisayo.
122 Mmele umkônzi wakô, kulunge;
Mabangandicudisi abakûkûmali.
123 Amehlo am ayapêla kulangazelela usindiso lwakô,
Nentetô yobulungisa bakô.
124 Umkônzi wakô menzele ngokwenceba yakô,
Undifundise imimiselo yakô.
125 Ndingumkônzi wakô, ndiqondise,

Digitized by Google

Ndizazi izinqĺniso zakô.
126 Lixa lokuba u-Yehova enze,
Kuba bawapûle umyalelo wakô.
127 Ngenxa yoko ndiyitânda imitêtô yakô
Ngapêzu kwe-golide nakwengcwengiweyo.
128 Ngenxa yoko nditĺ, Zonke iziyalezo zako zitê-tye ngento zonke;
Wonke umendo wobuxoki ndiwutĺyile.

129 Yimisebenzi ebalulekileyo izinqĺniso zakô,
Ngenxa yoko uzibambĺle umpêfumlo wam.
130 Ukutŷilwa kwamazwi akô kuyakânyisa,
Kuqondisa abazidenge.
131 Ndakâmisa umlomo wam, ndahlwabusa,
Ngokuba ndiyilangazelela imitêtô yakô.
132 Ndibêke, undibabale,
Ngokwesiko *lakô* kubatândi begama lakô.
133 Qinisa ukunyatêla kwam ngentetô yakô,
Mabungabi nagunya kum ubutshinga nabupĺna.
134 Ndikûlule ekucudiseni komntu,
Ndizigcine iziyalezo zakô.
135 Kânyisa ubuso bakô kumkônzi wakô,
Undifundise imimiselo yakô.
136 Ahla imijelo yamanzi amehlo am,
Ngenxa yokuba bengawugcini umyalelo wakô.

137 Ulilungisa wena, Yehova,
Zitê-tye izigwebo zakô.
138 Uzimisile izinqĺniso zakô zanobulungisa,
Zanokutêmbêka kakûlu.
139 Ikŵele lam lindibângisile,
Ngokuba abandibandezelayo bewalibele amazwi akô.
140 Ilizwi lakô linyibilikisiwe kunene,
Umkônzi wakô uyalitânda.
141 Ndimncinane ndideliwe,
Noko andizilibali iziyalezo zakô.
142 Ubulungisa bakô bubulungisa obungunapâkade,
Umyalelo wakô yinyaniso.
143 Imbândezelo nengcutêko indifumene,
Imitêtô yakô iyandiyolisa.
144 Zinobulungisa ngonapâkade izinqĺniso zakô,
Ndiqondise, ndipĺle.

145 Ndikâla ngentliziyo yonke, ndipêndule;
Yehova, imimiselo yakô ndiya kuyibambâ.
146 Ndikâla kuwe, ndisindise,
Ndigcine izinqĺniso zakô.
147 Ndapângela ukusa, ndazibika,
Ndalindela emazwini akô.
148 Amehlo am apângela imilindo *yasebusuku*,
Ukuze ndicamngce ngentetô yakô.
149 Live ilizwi lam ngokwenceba yakô,
Yehova, ndipĺlise ngokwamasiko akô.
150 Basondela abapûtûma amanyala,
Banyawuka emyalelweni wakô;
151 Usondele wena, Yehova,
Yonke imitêtô yakô iyinyaniso.
152 Kudala ndisazi ngokwezinqĺniso zakô,
Ukuba uzisekile ngonapâkade.

153 Kângela ukucinezeleka kwam, undihlangule;
Ngokuba ndingawulibali umyalelo wakô.
154 Bambâna nobambêne nam, undikûlule,
Ndipĺlise ngokwelizwi lakô.
155 Lunyawukile kwabangendawo usindiso,
Ngokuba abayifuni imimiselo yakô.
156 Imfesane zakô zininzi, Yehova;
Ndipĺlise ngokwamasiko akô.
157 Baninzi abandisukelayo nabandibandezelayo,
Anditi-gubucala ezinqĺnisweni zako.
158 Ndababona abatshinizi, ndaŕuquka,
Abo bangayigciniyo intetô yakô.
159 Bona ukutânda kwam iziyalezo zakô,
Yehova, ndipĺlise ngokwenceba yakô.
160 Isimbûku selizwi lakô sinyinyaniso ipêla,
Zingunapâkade zonke izigwebo zobulungisa bakô.

161 Abatêtêli bandisukela ngelizê,
Intliziyo yam iyankwantyiswa ngamazwi akô.
162 Ndinemihlali ngentetô yakô
Njengofumene ixôba elininzi.
163 Ndikutĺyile ukuxoka, lisikizi kum;
Ndiyawutânda umyalelo wakô.

Digitized by Google

164 Ndikudumisa kasixênxe ngemini,
Ngenxa yezigwebo zobulungisa bakô.
165 Banoxolo olukûlu abawutândayo umyalelo wakô;
Akukô sikûbekiso kubo.
166 Ndikângela usindiso lwakô, Yehova;
Ndenza imitêtô yakô.
167 Umpêfumlo wam uyazigcina izinqîniso zakô,
Ndizitânda kunene.
168 Ndiyazigcina iziyalezo zakô nezinqîniso zakô,
Ngokuba zonke indlela zam zipâmbî kwakô.

169 Makusondele pâmbî kwakô ukuhlahlambâ kwam;
Yehova, ndiqondise ngokwelizwi lakô.
170 Masifike isikûngo sam pâmbî kwakô;
Ndihlangule ngokwentetô yakô.
171 Umlomo wam mawumpompoze indumiso,
Ukuba undifundisile imimiselo yakô.
172 Ulwimi lwam luya kuyipêndula intetô yakô,
Ngokuba yonke imitêtô yakô inobulungisa.
173 Isandla sakô masibe sesokundinceda;
Ngokuba ndizinyulele iziyalezo zakô.
174 Ndilangazelela usindiso lwakô, Yehova;
Umyalelo wakô uyandiyolisa.
175 Maupile umpêfumlo wam, ukudumise;
Andincede amasiko akô.
176 Ndiya ndimka njengemvu elahlekileyo; mfune umkônzi wakô,
Ngokuba andiyilibali imitêtô yakô.

Ingoma yezinyuko.

120 Engxingongweni yam ndakâla ku-Yehova,
Wandipêndula.
2 Ndatî, Wuhlangule, Yehova, umpêfumlo wam emlonyeni oxokayo,
Elulwimini olunenkohliso.
3 Akunike nto-nina? akongeze nto-nina,
Lulwimindini lunenkohliso?
4 Intolo zegofa ezitsolo,
Kunye namalahle avutâyo onwele.
5 Atî-ke mna! kuba ndingumpâmbî-keli kwa-Mesheki,
Ndihleli ngasezin-tenteni zakwa-Kedare.
6 Umpêfumlo wam kade uhleli
Nabalutîyileyo uxolo.
7 Mna ndingowoxolo;
Ke nditî ndakutêtâ, bona babe yimfazwe.

Ingoma yezinyuko.

121 Ndiwapâkamisele ezintabeni amehlo am;
Luya kuvela pina uncedo lwam?
2 Uncedo lwam luvela ku-Yehova,
U-Menzi wezulu nomhlaba.
3 Akayi kukê alunikele unyawo lwakô ekutyibilikeni;
Akayi kukê ozele umgcini wakô.
4 Uyabona, akozeli akalali
Umgcini ka-Sirayeli.
5 Ngu-Yehova umgcini wakô,
Ngu-Yehova umtûnzi wakô ekunene kwakô.
6 Emini ilanga aliyi kukwenzakalisa,
Nenyanga ebusuku.
7 U-Yehova uya kukugcina ebubini bonke,
Uya kuwugcina umpêfumlo wakô.
8 U-Yehova uya kukugcina ukupûma kwakô nokungena kwakô,
Kususela ngoku kude kuse epâkadeni.

Ingoma yezinyuko. Ka-Davida.

122 Ndavuya bakutî kum,
Masiye endlwini ka-Yehova.
2 Inyawo zetû zafika zema
Emasangweni akô, Yerusalem;
3 Yerusalem, wena wakîweyo
Ngokomzi ohlangeneyo wamnye;
4 Apô zinyuka ziye kôna izizwe,
Izizwe zika-Yehova,
Ibunqîna-ke lonto kwa-Sirayeli,
Ukuba kululelwe kwigama lika-Yehova.
5 Kuba kôn'apô kumiswe i-trone zokugweba,
I-trone zendlu ka-Davide.
6 Celelani i-Yerusalem uxolo,
Mababe nokucûlumacâ abakutândayo.
7 Malube luxolo eludongeni lwakô oluraqileyo,
Nokucûlumacâ ezingxandeni zakô ezinde.
8 Ngenxa yabazalwana bam nowetû

Digitized by Google

Makê nditêtê uxolo ngawe.
9 Ngenxa yendlu ka-Yehova, u-Tixo wetû,
Ndiya kufuna okukulungeleyo.

Ingoma yezinyuko.

123 Ulohlala emazulwini,
Ndiwapâkamisela kuwe amehlo am.
2 Uyabona, njengokuba amehlo abakô-nzi
Emi kwisandla senkosi zabo,
Njengokuba amehlo ekôbokazana
Emi kwisandla senkosikazi yalo:
Ngokunjalo amehlo etû aku-Yehova, u-Tixo wetû,
Ade asibabale.
3 Sibabale, Yehova, sibabale,
Ngokuba sanele kakûlu kukudelwa.
4 Umpêfumlo wetû wanele kakûlu.
Kukugculela kwabangakâtâlele bani,
Nokudela kwaba neratshi.

Ingoma yezinyuko. Ka-Davido.

124 Koko u-Yehova ebe ngakutî,
Makatsho u-Sirayeli;
2 Koko u-Yehova ebe ngakutî
Ekusukeleni kwabantu pêzulu kutî,
3 Ngebeba sihleli basiginya,
Ekuvutêni komsindo wabo kutî;
4 Ange esintywilisele amanzi,
Wadlula pêzu kompêfumlo wetû umsinga;
5 Ange edlule pêzu kompêfumlo wetû
Amanzi akûkûmeleyo.
6 Ungowokubongwa u-Yehova,
Ongasinikelanga emazinyweni abo ukuba siqwengwe.
7 Umpêfumlo wetû usindile njengentaka emgibeni wababambîsi;
Umgibe nqâukile, sasinda-ke tîna.
8 Uncedo lwetû lusegameni lika-Yehova,
U-Menzi wezulu nomhlaba.

Ingoma yezinyuko.

125 Abo bakôlosa ngo-Yehova banjengentaba yase-Tsiyon;
Ayishukumi, ihleli ngonapâkade.
2 I-Yerusalem ijikelezwe zintaba;
Ke u-Yehova ubajikelezile naye abantu bakê,
Kususela ngoku kude kuse epâkadeni.
3 Ngokuba ayi kuhlala intonga yokungendawo elifeni lamalungisa,
Ukuze amalungisa angazisi ebugqwetêni izandla zawo.
4 Yehova, yenza okulungileyo kwabalungileyo,
Kwabatê-tye ezintliziyweni zabo.
5 Ke bona abati-gubucala ngendlela zabo ezimagosogoso
U-Yehova makabemkise kunye nabasebenzi bobutshinga.
Malube luxolo ku-Sirayeli.

Ingoma yezinyuko.

126 Ekubabuyiseni kuka-Yehova ababuyayo base-Tsiyon,
Saba njengabapûpâyo;
2 Waza wazala kuhleka umlomo wetû,
Lwazala kumemelela ulwimi lwetû.
Baza batî pakatî kwentlanga,
U-Yehova ubenzele izinto ezinkulu aba.
3 U-Yehova usenzele izinto ezinkulu,
Saba ngabavuyayo.
4 Buyisa, Yehova, abatînjiweyo bakutî
Njengemilambô yamanzi yelase-Zantsi.
5 Abahlwayelayo benenyembêzi
Baya kuvuna benokumemelela.
6 Ohambâ ahambê, elila,
Epêtê intlwayelelo;
Uyabuya eze ememelela,
Etwele izitûngu zakê.

Ingoma yezinyuko. Ka-Solomon.

127 Ukuba akayakî u-Yehova indlu.
Bafumana besapûka yiyo abakî bayo.
Ukuba umzi akawugcini u-Yehova,
Ufumana epâpâma owugcinayo.
2 Nifumana nivuka kusasa,
Nihlale nisebenza kude kube sebusuku,
Nisidla isonka sokubulaleka:
Uyipâ intânda yakê ilele ubutôngo.
3 Uyabona, ilifa lika-Yehova ngonyana,
Umvuzo siqâmo sesizalo.
4 Njengentolo esandleni segoŕa,
Banjalo onyana bobutsha.
5 Hayi uyolo lomfo ozalise umpôngolo wakê ngabo!
Abayi kudana,
Xa batêtâ nentshaba esangweni.

Ingoma yezinyuko.

128 Hayi uyolo lwabantu bonke abamoyikayo u-Yehova,

Digitized by Google

Abahambå ngendlela zakê!
2 Ukuxelenga kwezandla zakô inene uya kukudla,
Uya kuba noyolo wena, kulunge kuwe.
3 Umkakô woba njengom-diliya oqåmayo
Endlwini yakô ngapåkatî,
Onyana bakô babe njengezitôle zomnquma
Ngenxa zonke esitêbeni sakô.
4 Yabona, unjalo ukusikelelwa umfo
Omoyikayo u-Yehova.
5 Makakusikelele u-Yehova e-Tsiyon,
Uyibone i-Yerusalem inenyweba
Yonke imihla yobomi bakô;
6 Ubone abantwana babantwana bakô.
Malube luxolo ku-Sirayeli.

Ingoma yezinyuko.

129 Kukaninzi bendibandezela kwasebuncinaneni bam,
Makatsho u-Sirayeli;
2 Kukaninzi bendibandezela kwasebuncinaneni bam:
Ababanga nakunditî-ni noko.
3 Abalimi balima emhlana kum,
Bayolula indima yabo.
4 U-Yehova ulilungisa,
Uzinqumle izintya zabangendawo.
5 Mabadane babuye umva
Bonke abayitîyayo i-Tsiyon.
6 Mababe njengencå epûma pêzu kwezindlu,
Eyomayo ingekahlumi,
7 Engekasizalisi nesandla sakê umvuni,
Engekalizalisi nesondo lengubo yakê umbopî wezitûngu;
8 Bengekatî nabadlulayo,
Intsikelelo ka-Yehova mayibe kuni;
Siyanisikelela ngegama lika-Yehova.

Ingoma yezinyuko.

130 Ezinzulwini ndinqula wena, Yehova,
2 Nkosi, yiva izwi lam.
Indlebe zakô mazilibazele
Izwi lokutafuzisa kwam.
3 Ukuba utê wabunqala ubugwenxa, Yehova,
Ngubanina ongaba nokuma. Nkosi?
4 Ngokuba kunawe ukuxolela,
Ukuze woyikwe.
5 Nditêmbêle ku-Yehova, utêmbile umpêfumlo wam;
Ndilinde ilizwi lakê.
6 Umpêfumlo wam ulindele e-Nkosini
Ngapêzu kwabalinde ukusa,
Ewe, abalinde ukusa.
7 Lindela ku-Yehova, Sirayeli,
Ngokuba inceba iku-Yehova,
Ikuye inkululeko eninzi.
8 Yena-ke wowakûlula ama-Sirayeli
Ebugwenxeni bawo bonke.

Ingoma yezinyuko; ka-Davide.

131 Yehova, intliziyo yam ayipåkamile, amehlo am akaqwayingile;
Andihambî ezintweni ezinkulu,
Eziyimisebenzi ebalulekileyo kum.
2 Inene, ndiwuzolise ndawutôzamisa umpêfumlo wam;
Unjengomntwana olunyulweyo ehleli kunina;
Unjengomntwana olunyulweyo umpêfumlo wam kum.
3 Wena Sirayeli, lindela ku-Yehova
Kususela ngoku kude kuse epåkadeni.

Ingoma yezinyuko.

132 Yehova, mkûmbûlele u-Davide
Ukucinezeleka kwakê konke;
2 Yena wamfungelayo u-Yehova,
Wabåmbåtîsa kwimbalasane *engu-Tîxo* ka-Yakobi,
3 Esitî, Andikungena en-tenteni eyindlu yam,
Andikunyuka ndiye esililini, emandlalweni wam;
4 Andiyi kuwanika amehlo am ubutôngo,
Nenkope zam ukozela,
5 Ndide ndimfumanele indawo u-Yehova,
Ndiyifumanele umnquba imbalasane ka-Yakobi.
6 Kangela, sawuva e-Efrata,
Sawufumana ezitîlini zase-Kiriyati-yeharim.
7 Masingene emnqubeni wakê,
Siqubude e-situlweni senyawo zakê.
8 Kåsuk'ume, Yehova, uze ekupûmleni kwakô,
Wena nomkômbê wamandla akô.
9 Abenzeleleli bakô mabambåtê ubulungisa,
Bamemelele abakô benceba.

Digitized by Google

10 Ngenxa ka-Davide umkônzi wako
Mus'ukubutŷala ubuso bomtânjiswa wakô.
11 U-Yehova wamfungela u-Davide;
Inyaniso, akayi kubuya kulonto,
Esitî, Esiqâmeni sezibilini zakô
Ndimisa oya kuba se-troneni yakô.
12 Ukuba batê onyana bakô bawugcina umnqophiso wam
Nesinqiniso sam endibafundisayo:
Onyana babo botî nabo bahlale
E-troneni yakô nanini.
13 Ngokuba u-Yehova uyinyule i-Tsiyon,
Uyinqwenele ukuba ibe likâya lakê,
14 Esitî, Nantsi indawo yam yokupûmla kwam nanini,
Ndiya kuhlala apâ, ngokuba oko ndikunqwenele.
15 Umpâko wayo ndiya kuwusikelela kunene,
Amahlwempu ayo ndiya kuwahlutisa ngesonka;
16 Ndibambâtîse ngosindiso abenzeleleli bayo,
Abonceba bayo bamemelele bememelela.
17 Apô ndiya kumhlumisela upôndo u-Davide,
Ndiya kumlungisela isibane umtânjiswa wam.
18 Intshaba zakê ndiya kuzambâtîsa udano,
Ke pêzu kwakê yena siya kutyatyambâ isitsaba sakê.

Ingoma yezinyuko; ka-Davide.

133 Yabonani, ukuba kuhle, ukuba mnandi
Ukutî abazalwana bahlale bemxêlo mnye!
2 Kunjenge-oli elungileyo entloko,
Isihla ezindevini,
Ezindevini zika-Aron,
Isihla iye emqukumbêlweni wengubo zakê.
3 Kunjengombetê wase-Hermon,
Ohla pêzu kwentaba zase-Tsiyon;
Ngokuba kôn'apô u-Yehova eyimisile intsikelelo,
Ubomi, kude kuse epâkadeni.

Ingoma yezinyuko.

134 Yabonani, mbongeni u-Yehova, nonke bakônzi baka-Yehova,
Nimiyo endlwini ka-Yehova ebusuku.
2 Pâkamiselani engcwelêni izandla zenu,
Nimbonge u-Yehova.
3 Makakusikelele e-Tsiyon u-Yehova,
U-Menzi wezulu nomhlaba.

Haleluya.

135 Dumisani igama lika-Yehova;
Dumisani, nina bakônzi baka-Yehova,
2 Nimiyo endlwini ka-Yehova,
Ezintendelezweni zendlu yo-Tixo wetû.
3 Dumisani u-Yehova, ngokuba elungile u-Yehova;
Libetêleni uhadi igama lakê, ngokuba kumnandi;
4 Ngokuba u-Yehova emnyule u-Yakobi ukuba abe ngowakê,
Wanyula u-Sirayeli ukuba abe yinqobo kuye.
5 Ngokuba ndiyazi mna ukuba mkûlu u-Yehova,
I-Nkosi yetû ingapêzu kotîxo bonke.
6 Konke akutândileyo u-Yehova uyakwenza
Ezulwini nasemhlabeni,
Ezilwandleni nasemanzini onke enzonzobila;
7 Ulonyusa amafu ezipêlweni zomhlaba,
Imvula wayenzela imibane,
Ulofola umoya ezi-storeni zakê.
8 Owawabulalayo amazibulo ase-Yiputa,
Etâbatêle ebantwini wesa ezinkomeni;
9 Watûmela imiqondiso nezimanga
Pâkatî kwakô, Yiputa,
Ku-Faro nabakônzi bakê bonke;
10 Owabulala intlanga ezinkulu,
Wabulala okumkani abanamandla;
11 O-Sihon ukumkani wama-Amori
No-Ogi ukumkani wase-Bashan,
Nezikumkani zonke zakwa-Kanan;
12 Walinikela ilizwe labo lalilifa,
Lalilifa kuma-Sirayeli abantu bakê.
13 Yehova, igama lakô lingunapâkade,
Inkumbûzo yakô, Yehova, ikwizizukulwana ngezizukulwana.
14 Ngokuba u-Yehova uya kugweba pâkatî kwabantu bakê,
Azohlwaye ngenxa yabakônzi bakê.
15 Izitîxo zentlanga yi-silvere ne-golide,
Umsebenzi wezandla zabantu.

Digitized by Google

16 Zinomlomo-nje azitêtî;
Zinamehlo-nje aziboni;
17 Zinendlebe-nje aziva;
Akukô nento engumoya emlonyeni wazo.
18 Baya kuba njengazo abenzi bazo,
Bonke abasukuba bekôlose ngazo.
19 Nina ndlu ka-Sirayeli, bongani u-Yehova;
Nani ndlu ka-Aron, bongani u-Yehova;
20 Nina ndlu ka-Levi, bongani u-Yehova;
Nani boyika u-Yehova, bongani u-Yehova.
21 Ngowokubongwa u-Yehova e-Tsiyon,
Ulohlala e-Yerusalem.
Haleluya.

136 Bulelani ku-Yehova, ngokuba elungile;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
2 Bulelani ku-Tîxo wotîxo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
3 Bulelani ku-Nkosi kankosi;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
4 Kulo-Menzi wemisebenzi ebalulekileyo emikûlu yedwa;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
5 Kulo-Menzi wamazulu ngengqondo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
6 Kulo-Mtwabululi wehlabati pézu kwamanzi;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
7 Kulo-Menzi wezikânyiso ezikûlu;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
8 Ilanga lilaule emini;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
9 Inyanga nenkwenkwezi zilaule ebusuku;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
10 Kulowabulala ama-Yiputa kumazibulo awo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
11 Wawakûpâ ama-Sirayeli pâkatî kwawo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
12 Ngesandla esitê-nqi, ngengalo eyolulweyo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
13 Kulomgabuli wo-Lwandle olubomvu lwagabuka;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
14 Wawaweza ama-Sirayeli esazulwini salo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
15 Wamvutûlulela u-Faro nempî yakê e-Lwandle olubomvu;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
16 Kulohambîsa abantu bakê entlango;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
17 Kulobabulala okumkani abakûlu;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
18 Wabulala okumkani abazinganga-msha;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
19 U-Sihon ukumkani wama-Amori;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
20 No-Ogi ukumkani wase-Bashan;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
21 Walinikela ilizwe labo laba lilifa;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
22 Laba lilifa ku-Sirayeli umkônzi wakê;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
23 Owasikûmbûlayo ebupântsini betû;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
24 Wasihlangula kwabasibandezelayo;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
25 Ulonika into yonke epîlileyo ukudla;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.
26 Bulelani ku-Tîxo wezulu;
Ngokuba ingunapâkade inceba yakê.

137 Ngase milanjeni yase-Babeli
Sahlala pântsi kôna, salila,
Sakukûmbûla i-Tsiyon;
2 Emincûlubeni pâkatî kwayo
Sazixôma kôna ihadi zetû;
3 Ngokuba kôn'apô abatîmbî betû basibiza
Izango zengoma;
Abatûtûmbîsi betû basibiza uvuyo,
Besitî, Sivumeleni ingoma yase-Tsiyon.
4 Singatî-nina ukuvuma ingoma ka-Yehova
Emhlabeni wolunye uhlanga?
5 Ukuba nditê ndakulibala, Yerusalem,
Masinyele isandla sam sokunene.
6 Ulwimi lwam malunamatêle emakûhlangubeni am,
Ukuba anditânga ndikukûmbûle;
Ukuba anditânga ndiyinyuse i-Yerusalem
Ngapézu kwemivuyo yam yonke.
7 Bakûmbûle, Yehova, onyana baka-Edom,
Umhla we-Yerusalem,
Abo batî, Yinqikeni, yinqikeni

Digitized by Google

Kuse elusekweni lwayo.
8 Ntombî engu-Babeli, wena unyashiweyo;
Hayi uyolo lwalowo ukubuyekezayo ukupâtâ kwakô
Osipétê ngako!
9 Hayi uyolo lwalowo ubabambâyo abahlekeze abantwana bakô
Engxondoŕeni!

Eka-Davide.

138 Ndiya kubulela kuwe ngentliziyo yam yonke;
Pâmbî kotîxo ndiya kukubetêla uhadi.
2 Ndiya kuqubuda ndibêkise e-tempileni yakô engcwele,
Ndibulele kwigama lakô ngenxa yenceba yakô nangenxa yenyaniso yakô,
Kuba ulikûlisile ilizwi lakô ngapézu kwegama lakô lonke.
3 Ngomhla wokubiza kwam wandipêndula,
Wandikâlipîsa, yangamandla empêfumlweni wam.
4 Baya kubulela kuwe, Yehova, bonke okumkani bomhlaba,
Bakuweva amazwi omlomo wakô;
5 Bavume ngendlela zika-Yehova,
Ukuba lukûlu uzuko luka-Yehova:
6 Ngokuba noko u-Yehova apakamile, uyambona otôbekileyo,
Ke yena ozipâkamisayo umazi nakude.
7 Ukuba nditê ndahambâhambâ pâkatî kwembândezelo, uyandipîlisa;
Wosolulela emsindweni wentshaba zam isandla sakô,
Sindisindise isandla sakô sokunene.
8 U-Yehova uya kundifezela.
Yehova, inceba yakô ingunapâkade,
Izenzo zezandla zakô mus' ukuziyekela.

Kumongameli; eka-Davide. Umhobe.

139 Yehova, undigocagocile, wandazi.
2 Wena uyakwazi ukuhlala kwam nokusuka kwam,
Uyaziqonda izicamango zam nakude.
3 Ukuhambâ kwam nokulala kwam uyakwela;
Uqêlene nendlela zam zonke.
4 Ngokuba akukô lizwi elulwimini lwam,
Ongalaziyo-ke, Yehova, kanye.
5 Ngasemva nangapâmbîli undingqingile,
Wasibeka pézu kwam isandla sakô.
6 Kubalulekile kum okokwazi,
Kupézulu, kundinqabele.
7 Ndingahambêla pîna ukumka emoyeni wakô?
Ndingabalekela pîna ukumka ebuswemi bakô?
8 Ukuba nditê ndenyuka ndaya ezulwini, ulapô wena;
Ukuba nditê ndazandlalela kwelabâfileyo, nanko ukô;
9 Ukuba nditê ndapâkamisa amapîko esifingo,
Ndaya ndahlala ekupêleni kolwandle,
10 Besingandikâpayo kwanalapô isandla sakô,
Sindibambê isandla sakô sokunene.
11 Ukuba nditê, Mabundisongele ubumnyama bona bodwa,
Nokukânya kube busuku ngenxa zonke kum:
12 Kwa nobumnyama-obo abungebi bumnyama kuwe,
Ubusuku bungaba mhlope njengemini;
Ubumnyama bungaba njengokukânya.
13 Ngokuba wena wazibumbâ izintso zam,
Wandibiyela esizalweni sikamâ.
14 Ndiyabulela kuwe ngenx' enokuba ndenziwe ngokoyikekayo, ngokubalulekileyo;
Zibalulekile izenzo zakô,
Umpêfumlo wam uyazi kakuhle.
15 Ayengagushekile kuwe amatâmbô am,
Mna ndenzelwayo entsitêlweni,
Ndalukwa ndayimfakamfele ezinzulwini zomhlaba.
16 Amehlo akô andibona ndiseyimbumbâ,
Zazibâlwe encwadini yakô imini zonke zipêla,
Ziyiliwe ngenxa engapâmbîli
Kungekabikô-ke nanye kuzo.
17 Kum-ke zinjanina ukunqaba izicamanga zakô, Tîxo!
Asingangani isimbûku sazo!
18 Zingatî ndizibalile, zibe ninzi ngapézu kwentlabati;
Ndakuvuka ndoba ndisenawe.

Digitized by Google

19 Ngamana wambulala ongendawo, Tîxo!
Nina madoda amagazi, sukani kum.
20 Abo bakukânkanyela amayelenqe,
Balibizela inkohlakalo *igama lakô* abazondi bakô.
21 Andinakubatîya-na abakutîyayo, Yehova?
Ndiruquke ngabasukela pêzulu kuwe?
22 Ndibatîya ngentiyo epêlelisileyo,
Kum mna bazintshaba.
23 Ndigocagoce, Tîxo, uyazi intliziyo yam;
Ndicikide, uzazi ingcingangcinga zam;
24 Ubone ukuba kukô ndlela yobubi-na kum,
Undikâpêle kwindlela engunapâkade.

Kumongameli. Umhobe ka-Davide.

140 Ndihlangule, Yehova, esintwini esinobubi,
Ndilondoloze emntwini ogonyamelayo,
2 Abacinga okubi entliziyweni;
Imihla yonke baxâya imfazwe.
3 Balola ulwimi lwabo njengenyoka;
Ubuhlungu beŕamba busemlonyeni wabo. (Pâkamisani.)
4 Ndigcine, Yehova, ezandleni zongendawo,
Ndilondoloze emntwini ogonyamelayo,
Abacinga ukuzikûbekisa inyawo zam.
5 Abaneŕatshi bandiqushekele isibatâ nezintya,
Baneke umnatâ ecaleni kwendlela,
Banditîyele ngemigibe. (Pâkamisani.)
6 Nditî ku-Yehova, Ungu-Tîxo wam;
Beke indlebe, Yehova, ezwini lesikûngo sam.
7 Yehova, Nkosi yam, nqaba endisindisayo;
Uyigqubutêle intloko yam ngemini yeduli.
8 Mus' ukumnika, Yehova, ongendawo iminqweno yakê;
Mus' ukuwupûmelelisa umnqangiyelo wakê,
Hleze azipâkamise. (Pâkamisani.)
9 Yona intloko yabandingqingayo,
Ububi bomlomo wabo mabubagubungele.
10 Mabatôtyelwe amalahle avutâyo;
Makabawise emlilweni, emimbitini, bangabi sapûma.
11 Indoda enolwimi mayingazinzi emhlabeni;
Indoda enokugonyamela, ububi mabuyizingele ngembêmbêtshane.
12 Ndiyazi ukuba u-Yehova uya kulifeza Ityala losizana, ibango lamahlwempu.
13 Inene, amalungisa aya kubulela kwigama lakô;
Baya kuhlala ebusweni bakô abatêtye.

Umhobe ka-Davide.

141 Yehova, ndiyakunqula, kâuleza uze kum;
Libekele indlebe izwi lam ekudandulukeni kwam kuwe.
2 Umtândazo wam mawuhlal'uhleli pâmbî kwakô usisiqûmiso;
Nokupâkamisa kwam izandla kube ngumnikelo wangokuhlwa.
3 Umlomo wam wumisele umlindi, Yehova;
Misa umgcini emnyango womlomo wam.
4 Intliziyo yam mus'ukuyitôbela entweni embî,
Ukuba isebenze intlondi yokungendawo
Namadoda asebenza ubutshinga;
Mandingazidli izimnandi zawo.
5 Malindibetê ilungisa linenceba, lindohlwaye;
I-oli enjalo yentloko ayingeyali intloko yam:
Ngokuba usekô nomtândazo wam ebubini bawo.
6 Bakâhlelwa emacaleni engxondoŕa abagwebi babo,
Beve amazwi am ukuba amnandi.
7 Njengolimayo enqika umhlaba,
Anjalo ukutî-sa amatâmbô etû emlonyeni wesihogo.
8 Ngokuba akuwe, Yehova, Nkosi yam, amehlo am;
Ndizimela ngawe; mus'ukuwupâlaza umpêfumlo wam.
9 Ndigcine esangweni lomgibe wabanditîyelayo,
Nasezifintyelweni zabasebenza ubutshinga.
10 Mabeyele ezintanjeni zabo abangendawo,
Ndide ndidlule mna okukanye.

Digitized by Google

Eyokuqiqa ka-Davide ; oko ebe semqolombèni. Umtàndazo.

142 Ndikâla ku-Yehova ngezwi lam,
Ndikûnga u-Yehova ngezwi lam,
2 Ndipâlaza inkalazo yam pâmbî kwakê,
Ndixela imbândezelo yam pâmbî kwakê.
3 Ekutŷafeni komoya pâkatî kwam,
Uyayazi wena ingqushu yam.
Emendweni endihambâ ngawo
Bandiqushekela isibatâ.
4 Bêka ngasekunene ubone,
Akukô undibukayo;
Andinandawo ndingasabela kuyo,
Akukô uwukâtâlelayo umpêfumlo wam.
5 Ndikâla kuwe, Yehova,
Nditî, Nguwe ihlatî lam,
Isabelo sam ezweni labahleliyo.
6 Kubazele indlebe ukuhlahlambâ kwam,
Ngokuba ndiswele kakûlu;
Ndihlangule kwabandisukelayo,
Ngokuba bomelele kunam.
7 Wukûpê entolongweni umpêfumlo wam,
Ndibulele kwigama lakô.
Amalungisa aya kuzitî-jize ngesitsaba ngenxa yam,
Ngokuba undipêtê kakuhle.

Umhobe ka-Davide.

143 Yehova, yiva umtândazo wam,
kubekele indlebe ukutafuzisa kwam;
Ndipêndule ngokunyaniseka kwakô, ngobulungisa bakô.
2 Mus'ukumsa ematyaleni umkônzi wakô:
Ngokuba pâmbî kwakô akukô namnye uhlediyo olilungisa.
3 Ngokuba utshaba luwusukele umpêfumlo wam,
Lubutyumzele emhlabeni ubomi bam,
Lundihlalise ezindaweni ezimnyama, njengabafe ngonapâkade.
4 Utŷafile pâkatî kwam umoya wam;
Imangalisiwe pâkatî kwam intliziyo yam.
5 Ndikûmbûla imihla yamandulo,
Ndicamngca ngemisebenzi yakô yonke,
Ndicamngca ngesenzo sezandla zakô.
6 Ndizolulela kuwe izandla zam,
Umpêfumlo wam ukunxâmele njengelizwe elibafileyo. (Pâkamisani.)
7 Kâuleza ndipêndule, Yehova; uyapêla umoya wam.
Mus'ukubusitêlisa kum ubuso bakô,
Ndifane nabahla baye emhādini.
8 Ndivise kwa kusasa inceba yakô,
Ngokuba ndikôlose ngawe.
Ndazise indlela endiya kuhambâ ngayo:
Ngokuba ndiwupâkamisela kuwe umpêfumlo wam.
9 Ndihlangule ezintshabeni zam, Yehova.
Ndizimela ngawe.
10 Ndifundise ukwenza ikôlo lakô, ngokuba ungu-Tixo wam.
Umoya wakô olungileyo mawundikâpêle ezweni elisitâbazi.
11 Ngenxa yegama lakô, Yehova, ndipîlise;
Wukûpe embândezelweni umpêfumlo wam ngobulungisa bakô.
12 Ngenceba yakô zibângise intshaba zam,
Ubatshabalalise bonke abawubandezelayo umpêfumlo wam,
Ngokuba ndingumkônzi wakô.

Eka-Davide.

144 Makabongwe u-Yehova, uliwa lam,
Ulofundisa izandla zam ukulwa,
Iminwe yam imfazwe.
2 Unceba yam, umbôniselo yam,
Ungxonde yam, umsindisi wam mna lo,
Ungweletshetshe yam, undizimela ngaye,
Ulonyatêlela abantu bam pântsi kwam.
3 Yehova, uyinto-nina umntu, lento umaziyo?
Unyana womfo, lento umnyamekelayo?
4 Umntu lo ufana nompûnga,
Imihla yakô injengetûnzi elidlulayo.
5 Yehova, tôba amazulu akô, uhle;
Pâtâ ezintabeni, ziqûme.
6 Banekisa imibane, uzipângalalise;
Tûma intolo zakô, uzidubadube.
7 Tûma izandla zakô zivele pêzulu,
Ndifole, ndihlangule emanzini amakûlu,
Esandleni sonyana bolunye uhlanga,

Digitized by Google

8 Abamlomo utêtâ inkohlakalo,
Abasandla sokunene sisesokunene sobuxoki.
9 Tíxo, ndokuvumela ingoma entsha,
Ndikubetêle umfubê ontambô zilishumi,
10 Ulonika okumkani usindiso,
Ulohlangula u-Davide umkônzi wakê ereleni elinobubi;
11 Ndifole, ndihlangule esandleni sonyana bolunye uhlanga,
Abamlomo utêtâ inkohlakalo,
Abasandla sokunene sisesokunene sobuxoki.
12 Ngokuba onyana betû banjengezityalo ezikûlileyo ebutsheni babo;
Intombî zetû zinjengembômbô ezivatísiweyo ngemfakamfele ngokokwakíwa kwebôtwe;
13 Ovimbâ betû bazele, bavelisa intlobo ngentlobo;
Igusha zetu zizele amawaka, zanda ngezigidi emapândleni etû;
14 Inkomo zetû zimitê;
Akukô kungenelwa, akukô kutínjwa,
Akukô kuhlahlambâ ezi-trateni zetû.
15 Hayi uyolo lwabantu ekunjalo kubo!
Hayi uyolo lwabantu abâ-Tíxo ungu-Yehova!

Eyokudumisa ka-Davido.

145 Ndiya kukupâkamisa, Tíxo wam, wena kumkani,
Ndilibonge igama lakô ngonapâkade kanapâkade.
2 Imihla yonke ndiya kukubonga,
Ndilidumise igama lakô ngonapâkade kanapâkade.
3 Mkûlu u-Yehova, ngowokudunyiswa kakûlu;
Ubukulu bakê abunakugocagocwa.
4 Izizukulwana ngezizukulwana kuconywa izenzo zakô,
Kuxelwe ubugofa bakô.
5 Bunobungangamela ubuqaqauli bendili yakô,
Ngendawo zakô ezibalulekileyo ndiya kucamngca;
6 Batêtê ngamandla ezenzo zakô ezoyikekayo,
Ndibalise ngobukûlu bakô;
7 Bampompoze isikûmbûzo sokulunga kwakô okukûlu,
Bamemelele ngobulungisa bakô.
8 Unobabalo nemfesane u-Yehova,
Uzeka kade umsindo, mkûlu ngenceba,
9 Ulungile u-Yehova kubo bonke,
Imfesane yake ikuzo zonke izenzo zakê.
10 Ziyabulela kuwe, Yehova, zonke izenzo zakô;
Bakubonge abakô benceba;
11 Uzuko lobukumkani bakô balutsho,
Batêtê ngobugofa bakô;
12 Ukuba babazise onyana baka-Adam ubugofa bakê,
Ubuqaqauli obuhle bobukumkani bakê.
13 Ubukumkani bakô bubukumkani bamapâkade onke,
Nolaulo lwakô lukwizizukulwana ngezizukulwana.
14 U-Yehova ngumxâsi wabo bonke abawayo,
Ngumpâkamisi wabo bonke abagobileyo.
15 Amehlo ento zonke akângela kuwe,
Wena-ke uzinika ukudla kwazo ngexesha elililo;
16 Uyasivula isandla sakô,
Uzihlutise into zonke ezipîlileyo ngento ezikôlekileyo.
17 Ulilungisa u-Yehova ngendlela zakê zonke,
Unenceba ngezenzo zakê zonke.
18 Usondele u-Yehova kubo bonke abamnqulayo,
Kubo bonke abamnqulayo ngenyaniso.
19 Uyayenza into ekôlekileyo kwabamoyikayo;
Akuve ukuzibika kwabo, abasindise.
20 U-Yehova ungumgcini wabo bonke abamtândayo,
Abatshabalalise bonke abangendawo.
21 Umlomo wam mawutêtê indumiso ka-Yehova,
Inyama yonke ilibonge igama lakê elingewele ngonapâkade kanapâkade.

146 Haleluya.
Dumisa u-Yehova, mpêfumlo wam.
2 Ndiya kumdumisa u-Yehova logama ndidla ubomi;
Ndiya kumbetêla uhadi u-Tíxo wam ekubeni ndingosekôyo.
3 Musan' ukukôlosa ngamanene,

Digitized by Google

Ngonyana ka-Adam, yena ungenalo usindiso.
4 Uyapûma umoya wakê, yena ubuyela emhlabeni wakê;
Ngalomini ayatshitsha amabôngo akê.
5 Hayi uyolo lwalowo uluncedo lungu-Tixo ka-Yakobi,
Lowo ulinde ku-Yehova u-Tixo wakê!
6 Ku-Menzi wezulu nomhlaba,
Nolwandle nento zonke ezikulo.
Kulogcina inyaniso ngonapâkade,
7 Ugweba ityala labacudiswayo,
Upâ abalambîleyo ukudla;
Ku-Yehova okûlula ababanjwa;
8 Ku-Yehova ovula amehlo emfama;
Ku-Yehova opâkamisa abagobileyo;
Ku-Yehova otânda amalungisa;
9 Ku-Yehova ogcina abapâmbûkeli;
Kupâkamisa inkedama nomhlolokazi,
Ayipêtûle indlela yabangendawo.
10 U-Yehova ungukumkani ngonapâkade,
U-Tixo wakô, Tsiyon, kwizizukulwana ngezizukulwana.
Haleluya.

147 Haleluya;
Ngokuba kulungile ukuvuma ngo-Tixo wetû,
Ngokuba kumnandi, ifanelekile indumiso.
2 Umakî we-Yerusalem ngu-Yehova;
Abagxotwa bakwa-Sirayeli ubabutêla kôna.
3 Ulopîlisa abapûke intliziyo,
Abopê amanxeba abo;
4 Ulobala inani lenkwenkwezi,
Ezibiza zonke ngamagama.
5 Inkulu i-Nkosi yetû, inamandla amakûlu,
Ingqondo yayo ayipêle ndawo.
6 Upâkamisa abalulamileyo ngu-Yehova,
Utôbela abangendawo emhlabeni.
7 Hlabelani ku-Yehova eyokubulela,
Mbetêleni uhadi u-Tixo wetû.
8 Ulosibekelisa izulu ngamafu,
Ulolungisela umhlaba imvula,
Ulontshulisa utyani ezintabeni;
9 Ulonika inkomo ukudla,
Namatôle onomyayi alilayo.
10 Akabunanze nganto ubugofa behashe,
Akakôliswa zizitô zendoda;
11 U-Yehova ukôliswa ngabamoyikayo,
Abalinde inceba yakê.
12 Mncome u-Yehova, Yerusalem.
Mdumise u-Tixo wakô, Tsiyon.
13 Ngokuba eyomelezile imivalo yamasango akô,
Ebasikelele abantwana bakô pâkatî kwakô.
14 Ngulomisa uxolo emideni yakô,
Wakuhlutisa ngenqôlowa etyebileyo;
15 Ulotûmela intetô yakê emhlabeni,
Ilizwi lakê ligidima ngokukâuleza;
16 Ulonika ikêpu njengoboya bezimvu,
Ugcwayela iqabaka njengotûtû,
17 Epôsa umkênce wakê njengamaqêkeza;
Ngubanina onokuma pâmbî kwengqele yakê?
18 Utûmela ilizwi lakê, *ezonto* azinyibilikise,
Uvutûzisa umoya wakê, aqukuqele amanzi.
19 Uloxelela u-Yakobi ilizwi lakê,
U-Sirayeli imimiselo yakê namasiko akê.
20 Akenjanga njalo kolunye uhlanga,
Namasiko aluwazi.
Haleluya.

148 Haleluya.
Dumisani u-Yehova emazulwini;
Mdumiseni ezindaweni ezipêzulu;
2 Mdumiseni, nonke zitûnywa zakê;
Mdumiseni, nonke mikôsi yakê;
3 Mdumiseni, wena langa, nawe nyanga;
Mdumiseni, nonke zinkwenkwezi zinokukânya;
4 Mdumiseni, mazulu awo amazulu,
Nani manzi angapêzu kwamazulu.
5 Mazilidumise *ezonto* igama lika-Yehova,
Ngokuba wawisa umtêtô, zadalwa,
6 Wazimisa ngonapâkade kanapâkade,
Wazimisela ummiselo ezingayi kuwugqitâ.
7 Dumisani u-Yehova emhlabeni,
Nina bominenga, nani nonke manzi enzonzobila.
8 Wena mlilo, nawe sicôto; wena kêpu, nawe msi;
Moya uvutûzayo ulenzayo ilizwi lakê;
9 Nina zintaba, nani zinduli nonke,
Nina mitî eneziqâmo, nani mi-sedare nonke,

Digitized by Google

10 Nina mafamncwa, nani zinkomo nonke,
Nina zinambûzane, nani zintaka zinamapîko;
11 Okumkani bomhlaba nezizwe zonke,
Abatêtêli nabagwebi bomhlaba bonke;
12 Umlisela kwa nomtînjana,
Amadoda amakûlu kunye nabafana,
13 Mabalidumise igama lika-Yehova,
Ngokuba liyingxonde igama lakê yena yedwa;
Indili yakê ingapêzu komhlaba nezulu.
14 Wabapâkamisela abantu bakê upôndo,
Lwayindumiso kwabakê benceba bonke,
Konyana baka-Sirayeli, abantu abasondelayo kuye.
Haleluya.

149 Haleluya.
Mvumeleni u-Yehova ingoma entsha,
Indumiso yakê ebandleni labenceba.
2 U-Sirayeli makavuye ngo-Menzi wakê;
Usapô lwase-Tsiyon malugcobe ngo-Kumkani walo.
3 Mabalidumise igama lakê beqambâ,
Bembetêla ingqongqo nohadi.
4 Ngokuba u-Yehova uyakôliswa ngabantu bakê,
Uyabahombîsa abalulamileyo ngoloyiso.
5 Mabadlamke benozuko abenceba,
Mabamemelele besezililini zabo.
6 Yimibongo ka-Tîxo emqaleni wabo,
Lirêle elintlangotî mbini esandleni sabo;
7 Ukuze benze impindezelo ezintlangeni,
Izohlwayo ezizweni,
8 Bakônxe okumkani bazo ngemixokelelwane,
Nabazukileyo kuzo ngamakamandela esinyitî;
9 Benze kubo isiko elibâliweyo.
Luzuko olo lwabakê benceba bonke.
Haleluya.

150 Haleluya.
Dumisani u-Tîxo engcweleni yakê,
Mdumiseni esibâkabâkeni samandla akê.
2 Ndumiseni ngenxa yobugofa bakê,
Mdumiseni ngokobuninzi bobukûlu bakê.
3 Mdumiseni ngokuvutêla isigodlo,
Mdumiseni ngomfubê nohadi.
4 Mdumiseni ngengqongqo nengqungqo,
Mdumiseni ngento ezinentambô nogwali.
5 Mdumiseni ngamacangci akêncêzayo,
Mdumiseni ngamacangi adumayo.
6 Yonke into epêfumlayo mayimdumise u-Yehova.
Haleluya.

IMIZEKELISO KA-SOLOMON.

ISIQENDU I.

IMIZEKELISO ka-Solomon unyana ka-Davide, ukumkani wama-Sirayeli,
2 Yokuba kwaziwe ubulumko noqeqesho,
Yokuba kuqondwe intetô zengqondo;
3 Yokuba kwamkelwe uqeqesho lwengqiqo,
Ubulungisa, nesiko, nokutê-tye;
4 Yokuba izidenge zinikwe ubuqili,
Ulutsha lunikwe ukwazi nokunqângiyela.
5 Ukuze eye osilumko aqokele afunde;
Oqondayo azuze amacebo obulumko;
6 Yokuba kuqondwe umzekeliso nezafobe zokutêtâ.
Amazwi ezilumko nezintsonkotô zazo.
7 Ukoyika u-Yehova kukuqala kokwazi;
Ubulumko noqeqesho izimatâne ziludelile.

Digitized by Google

8 Nyana wam, yiva, uqeqesho lukayihlo,
9 Kuba ezonto zisisanqâwe esihle entloko yakô,
Nezambâlo emqaleni wakô.
10 Nyana wam, ukuba aboni batê bakuhenda,
Uz'ungavumi-ke.
11 Ukuba batê, Hambâ natî,
Masilalele igazi,
Masibalalele abamsulwa benge natyala;
12 Masibaginye njengelabafileyo behleli,
Begqibelele, njengabehla baye emhadini:
13 Sofumana ubuncwane obunqabileyo,
Sozizalisa izindlu zetû ngamaxôba;
14 Wena-ke wolipôsa pakatî kwetû iqashiso lakô,
Yoba nye inxôwa yetû sonke.
15 Nyana wam, mus'ukuhambâ ngendlela nabo;
Lunqande unyawo lwakô emendweni wabo;
16 Kuba inyawo zabo zigidimela ububi,
Zikâulezela ukupâlaza igazi;
17 Kuba ufumana usanekwa umnatâ
Emehlweni entaka-ezi zonke;
18 Ke bona balalela elabo igazi,
Bazonda owabo umpêfumlo.
19 Unjalo umendo wabo bonke abanxâmele inzuzo embî,
Inka nompefumlo womniniyo.

20 Ubulumko bumemeza ngapândle,
Buvakalisa izwi labo ezi-trateni.
21 Bumemeza emantloko endawo zembutô;
Ekungeneni kwamasango,
Pâkatî komzi butêtâ intetô zabo, busitî,
22 Kuninina, ziyatândini, nitânda ubuyatâ,
Abagxeki befuna ukugxeka,
Izinyabi zitîya ukwazi?
23 Nitê nabuyela ekohlwayeni kwam,
Niyabona, ndowumpompozisela kuni umoya wam,
Ndonazisa amazwi am.
24 Ngokokuba ndinibizile, anavuma;
Ndolule isandla sam, akwabikô ukâtâlayo;
25 Nesuka naliyeka necebo lam lonke,
Anavuma ndakunohlwaya;
26 Nam ndonihleka ekusindekeni kwenu;
Ndogculela ekufikeni kokunkwantyiswa kwenu;
27 Ekufikeni kokunkwantyiswa kwenu njengesitônga,
Ekuzeni kokusindeka kwenu njengesaqwitî,
Ekufikelweni kwenu yimbândezelo nencutêko.
28 Bandule bandibize, ndingapênduli;
Bandifune kwakusasa, bangandifumani;
29 Ngetûba lokuba bakutîyile ukwazi,
Abakunyula ukoyika u-Yehova;
30 Abalivuma icebo lam,
Basigiba sonke isohlwayo sam:
31 Beya kudla-ke isiqâmo sendlela yabo,
Bahlute ngamacebo abo.
32 Kuba ukupâmbâ kweziyatâ kuyazibulala,
Nobunqobo bezinyabi buyazitshabalalisa.
33 Ke yena ondivayo uhleli ekôlosile,
Wonwabile ekunkwantyiseni kobubi.

2 Nyana wam, ukuba utê wazamkela intetô zam,
Wayiqwebela kuwe imitêto yam,
2 Ukuze uyibazele ubulumko indlebe yakô,
Uyitôbele ukuqonda intliziyo yakô;
3 Ewe, ukuba utê wayibiza ingqondo,
Walisa ekuqondeni izwi lakô;
4 Ukuba utê wabufuna njenge-silvere,
Wabumbâ njengobutyebi obuselelweyo:
5 Uya kwandula ukukuqonda ukoyika u-Yehova,
Ukufumane ukumazi u-Tîxo.
6 Ngokuba u-Yehova upâ ubulumko;
Emlonyeni wakê kupûma ukwazi nokuqonda.
7 Ubaqwebela uzimaso abatê-tye,
Uyingweletshetshe kwabahambâ ngengqibelelo,
8 Ukuze alondoloze umendo wesiko,
Agcine nendlela yabakê benceba.
9 Uya kwandula uqonde ubulungisa,
Nesiko, nokutê-tye, nayo yonke imikôndo yokulungileyo;
10 Kuba ubulumko buya kungena entliziyweni yakô,
Ukwazi kwenze mnandi umpêfumlo wakô.
11 Ukunqangivela kokugcina,
Ukuqonda kokulondoloza;

Digitized by Google

12 Ukuba kukuhlangule endleleni embî,
Kubantu abatêtâ impenduka;
13 Kwabashiya umendo wokutê-tye,
Ukuze bahambê ngendlela zobumnyama;
14 Kwabavuyela ukwenza ububi,
Bagcobe ngempenduka zabenza ububi;
15 Abamendo ujibilizayo,
Abatî-gubucala ngemikôndo yabo,
16 Ukuze uhlangulwe kumkamntu,
Kowolunye uhlanga, ontetô yakê igudileyo;
17 Lowo ushiya ikôlwane lobutsha bakê,
Awulibale umnqopîso wo-Tixo wakê;
18 Kuba utshona ekufeni nendlu yakê,
Nemikôndo yakê itshona ezitûnzeleni;
19 Bonke abangenayo kuye ababuyi,
Abafiki kumendo wobomi.
20 Ukuze uhambê ngendlela yabalungileyo,
Ugcine umendo wamalungisa.
21 Ngokuba abatê-tye baya kulimá ilizwe,
Basale kulo abagqibeleleyo,
22 Banqunyulwe ezweni abangendawo,
Abanginizayo bancotûlwe kulo.

3 Nyana wam, mus'ukuwulibala umyalelo wam;
Intliziyo yakô mayiyibambê imitêtô yam;
2 Kuba iya kukongeza imihla emide,
Neminyaka yobomi, noxolo.
3 Inceba nenyaniso mayingakushiyi;
Zinxibe kuwe emqaleni;
Zibâle elucwecweni lwentliziyo yakô,
4 Ubabalwe ube nengqiqo entle
Emehlweni ka-Tixo nabantu.
5 Kôlosa ngo-Yehova ngentliziyo yakô yonke,
Ungayami okwakô ukuqonda.
6 Uz'umazi yena ezindleleni zakô zonke,
Wowulungelelanisa umendo wakô.
7 Mus'ukuba silumko kwawakô amehlo;
Yoyika u-Yehova, usuke entweni embî.
8 Ukupîla kobakô enkabeni yakô,
Nokuqina ematânjeni akô
9 Mzukise u-Yehova ngobuncwane bakô,
Nangentlahlela yongeniselo lwakô lonke:
10 Ozala amaqonga akô buninzi,
Nemikômbê yakô yokukongozela ipûpûme i-wayini entsha.

11 Uqeqesho luka-Yehova, nyana wam, mus'ukulucekisa,
Ungafuquki sisohlwayo sakê;
12 Kuba lo amtândayo u-Yehova uyamohlwaya,
Njengoyise esohlwaya unyana akôlwayo nguye.
13 Hayi uyolo lomntu ofumene ubulumko,
Lomntu ozuze ingqondo!
14 Kuba lulungile ufwebo lwabo ngapêzu kofwebo lwe-silvere,
Nongeniselo lwabo ngapêzu kwe-golide embîweyo.
15 Bunqabile bona ngapêzu kwe-korale,
Nento zakô zonke ezinqwenelekayo azilingani nabo.
16 Imihla emide isesandleni sabo sokunene,
Kwesokôhlo sabo butyebi nozuko.
17 Indlela zabo zindlela ezimnandi,
Wonke umendo wabo uluxolo.
18 Bungumtî wobomi kwababambêlela kubo,
Unoyolo obubambâyo.
19 U-Yehova waliseka ihlabati ngobulumko,
Wawazinzisa amazulu ngengqondo.
20 Agqoboka amanzi anzongozongo ngokwazi kwakê,
Savuza umbetê isibâkabâka.

21 Nyana wam, ezonto mazingemki emehlweni akô;
Londoloza uzimaso nomnqangiyelo:
22 Zoba bubomi empêfumlweni,
Nento entle emqaleni wakô.
23 Uya kwandula uhambê ngendlela yakô ukôlosile,
Lungabetêki unyawo lwakô.
24 Ukuba utê walala, akuyi kunkwantya;
Wolala, bube mnandi ubutôngo bakô.
25 Mus'ukoyika lunkwantyiso oluza ngesiqupê,
Nesitônga sabangendawo, sakufika.
26 Kuba u-Yehova uya kuba yinqolonci yakô,

Digitized by Google

Alugcine unyawo lwakô lungabanjiswa.
27 Mus'ukwala nento elungileyo kolunge nayo,
Kwakuba kusemandleni esandla sakô ukuyenza.
28 Mus'ukuti kuwenu, Hambâ, wobuy'uze,
Ndokunika ngomso;
Kanti unayo.
29 Mus'ukuyila ububi ngowenu,
Ehleli nawe yena ekôlosile.
30 Mus'ukubambâna nomntu kungekô nto,
Engakupâtânga kakubi-nje.
31 Mus'ukuyimonela indoda egonyamelayo,
Unganyuli nanye kwindlela zayo.
32 Kuba otî-gubucala ulisikizi ku-Yehova;
Ke lunabatê-tye ucweyo lwakê.
33 Ingqalekiso ka-Yehova isendlwini yongendawo;
Ke isitîli samalungisa uyasisikelela.
34 Ngokubêkisele kubagxeki uyabagxeka;
Ke abalulamileyo uyababababala.
35 Izilumko ziya kuludla ilifa uzuko;
Ke izinyabi zamkela umfumo wokucukucezwa.

4 Luveni, bonyana, uqeqesho loyihlo,
Nizibaze indlebe ukuze nikwazi ukuqonda.
2 Kuba ndininika imfundiso elungileyo;
Musan' ukuwushiya umyalelo wam.
3 Kuba ndandingunyana kubawo,
Nditâmbîle, ndimnye pâmbî komâ.
4 Wandiyala-ke, watî kum,
Intliziyo yakô mayiwabambê amazwi am;
Gcina imitêtô yam, upîle.
5 R'weba ubulumko, fweba ingqondo;
Mus'ukulibala, ungatî-gubucala entetweni yomlomo wam.
6 Mus'ukubushiya, bokugcina;
Butânde, bokulondoloza.
7 Ingqalo yobulumko itî, R'weba ubulumko,
Ngako konke ukufweba kwakô ufwebe ingqondo.
8 Bunonelele, bokupâkamisa;
Bokuzukisa, xa utê wabuwola.
9 Boyinika intloko yakô isanqâwe esihle,
Bokupâ isitsaba sokuhombâ.

10 Yiva, nyana wam, uyamkele intetô yam,
Ibe mininzi kuwe iminyaka yobomi.
11 Ndikuyalele indlela yobulumko,
Ndikunyatêlise emkôndweni wokutêtye.
12 Ekuhambêni kwakô akayi kuxinana amabanga akô;
Nokuba utê wagidima, akuyi kukûbeka.
13 Bambêlela eluqeqeshweni, mus'ukuluyeka;
Lulondoloze, ngokuba lububomi bakô.
14 Mus'ukungena emendweni wabangendawo,
Unganyatêli endleleni yabanobubi.
15 Yiyeke; mus'ukuya kugqitâ kuyo;
Yicezele ugqitê.
16 Kuba abalali, ukuba abatânga benze ububi;
Bemkelwa butôngo, ukuba abatânga bakûbekise abanye.
17 Kuba badla isonka sokungendawo,
Basele i-wayini yogonyamelo.
18 Ke wona umendo wamalungisa unjengokukânya komso,
Okuya kuba mhlopê ngokuba mhlopê kude kube semin' enkulu.
19 Indlela yabangendawo injengesitôkotôko,
Abayazi into abakûbeka kuyo.

20 Nyana wam, wabazele indlebe amazwi am;
Intetô yam yitôbele indlebe yakô.
21 Mayingemki emehlweni akô;
Yigcine entliziyweni yakô ngapâkatî
22 Kuba ibubomi kwabayifumanayo,
Nempîliso enyameni yabo yonke.
23 Nazintweni zonke zigcinwayo londoloza intliziyo yakô;
Kuba apûma kuyo amatênde obomi.
24 Kususe kuwe ukujibiliza komlomo,
Nokutî-gubucala komlomo kudedise kuwe,
25 Amehlo akô makakângele atî-gca,
Nenkopê zakô zitî-nzo kokupâmbî kwakô.
26 Lungelelanisa umkôndo wonyawo lwakô,
Zonke indlela zakô zjzimaseke.
27 Mus'ukutî-gubucala ngasekunene nangasekôhlo;

Digitized by Google

Susa unyawo lwakô entweni embî.

5 Nyana wam, bubazele indlebe ubulumko bam,
Ingqondo yam uyitôbele indlebe yakô,
2 Ukuze ugcine iminqangiyelo,
Ulondoloze ukwazi umlomo wakô.
3 Ngokuba ivuza incindi yobusi imilebe yomlomo womkamntu,
Abutêlezi ngapêzu kwe-oli amakûhlanguba akê;
4 Ke ukupêla kwakê kuŕaŕa njengomhlonyane,
Kubukâli njengeŕele elintlangotî mbîni.
5 Inyawo zakê zihla ziye ekufeni,
Amabanga akê abambêlele kwelabafileyo.
6 Angeze wahambâ ngomendo wobomi,
Imikôndo yakê iyajikajika, engazi.
7 Ke ngoku, bonyana, ndiveni,
Ningemki entetŵeni yomlomo wam.
8 Mayibe kude kuye indlela yakô;
Ungasondeli emnyango wendlu yakê;
9 Hleze uyinike abanye intlahla yakô,
Uyinike isijoŕa iminyaka yakô;
10 Hleze kuhlute abasemzini ngamandla akô,
Kungene endlwini yowolunye uhlanga ukubulaleka kwakô;
11 Ugcume ekupêleni kwakô,
Ekudlekeni kwenyama yakô nezihlunu zakô;
12 Utî, Bendilutîyele-nina uqeqesho,
Yasigiba isohlwayo intliziyo yam!
13 Andalipûlapûla izwi labayali bam;
Andayitôbela indlebe yam kubafundisi bam.
14 Ndapânts' ukuba sebubini bonke
Esazulwini sesikûngu nebandla.
15 Sela amanzi kwelakô iqula
Nemiqukuqela yamanzi epûma emtônjeni wakô.
16 Mayipâlalele pândle imitômbô yakô,
Ibe yimijelo yamanzi ezi-trateni.
17 Mayibe yeyakô, yeyakô wedwa,
Ingabi yeyabange ngabakowenu kunye nawe.
18 Malisikelelwe itênde lakô,
Uvuye ngumfazi wobutsha bakô;
19 Makabe yimazi yexâma elitândekayo, neyegogo elihle;
Amabele akê akukôlise ngamaxesha onke,
Uyotywe lutândo lwakê kupêle.
20 Yinina, nyana wam, ukuba uyotywe ngumkamntu,
Uwole isifuba sowolunye uhlanga?
21 Kuba indlela zomntu zipâmbî kwamehlo ka-Yehova,
Ayilungelelanise imikôndo yakê.
22 Ubugwenxa bakê bumtî-hlasi ongendawo,
Abanjwe zimbopêlelo zesono sakê.
23 Yena ufa kuswela uqeqesho,
Ayobe ebuninzini bokumatâ kwakê.

6 Nyana wam, ukuba utê wammela uwenu,
Wabambâna nomnye ngesandla:
2 Ufintyelwe ngentetô yomlomo wakô,
Utîwe-hlasi ngentetô yomlomo wakô.
3 Yenza lento ngoku, nyana wam, uzihlangule;
Kuba uzifake esandleni sowenu;
Yiya ziwise pântsi, umzame uwenu.
4 Mus'ukuwanika butôngo amehlo akô,
Ungaziniki ukozela inkopê zakô;
5 Zihlangule esandleni njengebadi,
Njengentaka esandleni somtîyeli.

6 Yiya embôvaneni, vilandini;
Kângela indlela zayo, ulumkê:
7 Yona itî inge nampâtî,
Namongameli, namlauli,
8 Isuke isilungise isonka sayo ehlotyeni,
Ikubutê ukudla kwayo ngexa lokuvuna.
9 Kuninina ulele, vilandini?
Uyakuvuka ninina ebutôngweni bakô?
10 *Xa utê*, Intwana yobutôngo, intwana yokozela,
Intwana yokukwabusha izandla ukuba ndilale:
11 Boza ubuhlwempu bakô njengomhambî,
Nokuswela kwakô njengendoda enengweletshetshe.

12 Ngumntu olitshijolo, ngumntu okôhlakeleyo
Lowo uhambâ ngokujibiliza komlomo wakê,
13 Utyanda ngoshiyi, uqubukusha ngenyawo,
Walatâ ngopâkatî wakê.

Digitized by Google

14 Yimpenduka entliziyweni yakê, uyila ububi ixesha lonke,
Ungenisa ingxabano.
15 Ngenxa yoko kuya kufika ngesiqupê ukusindeka kwakê;
Uya kwapûka ngepânyazo, angabi nakunyangwa.
16 Into ezintandatû uzitîyile u-Yehova,
Ezisixénxe zingamasikizi empêfumlweni wakê:
17 Ngamehlo aqwayingayo, lulwimi oluxokayo,
Zizandla ezipâlaza igazi elimsulwa,
18 Yintliziyo eyile ingcinga zobutshinga,
Zinyawo ezikâulezayo ukugidimela ebubini,
19 Linqîna elixokayo elifutâ amanga,
Nongenisa ingxabano pâkatî kwabangabazalwana.
20 Nyana wam, bambâ umtêtô woyihlo,
Ungasilahli isiyalo sikanyoko.
21 Sibopê entliziyweni yakô okukanye,
Usinxibe emqaleni wakô.
22 Ekuhambêni kwakô sokukâpâ;
Ekulaleni kwakô sokugcina;
Ekuvukeni kwakô soncokola nawe.
23 Ngokuba usibane umtêtô, silukânyiso isiyalo.
Ziyindlela yobomi izohlwayo eziqeqeshayo;
24 Ukuba ugcinwe kumfazi onobubi,
Ekugudeni kolwimi lowolunye uhlanga.
25 Mus'ukubukânuka ubunzwakazi bakê ngentliziyo yakô,
Angakubambîsi ngenkopê zakê;
26 Kuba ngenxa yehenyukazi umntu ude adle kopêla intendana yesonka,
Umkamntu uzingela umpêfumlo onqabileyo.
27 Umntu unokuwutâbatâ-na umlilo ase esifubeni sakê,
Zingatshi-na ingubo zakê?
28 Unokuhambâ-na umntu pêzu kwamalahle avutâyo,
Zingatyabuki-na inyawo zakê?
29 Unjalo ongena emfazini wowabo;
Akukô namnye umcûkumisayo, oya kuba msulwa.
30 Alidelwa isela, xa litê labela
Ukwanelisa umpêfumlo walo, xa litê lalambâ;
31 Lifunyenwe lihlaula kasixênxe,
Lifola bonke ubuncwane bendlu yalo.
32 Orexeza umfazi uswele intliziyo;
Owenza lonto ngumonakalisi wompêfumlo wakê.
33 Ufumanana nobetô nocukucezo:
Ungcikivo lwakê alucimi.
34 Kuba ikwele libubushushu bendoda,
Ayi kuyeka ngemini yempindezelo.
35 Ayi kulubêka ucamagusho nokuba lulupîna,
Ayi kuvuma, naxa utê wayicenga ngento ezininzi.

7 Nyana wam, gcina intetô yam,
Uyiqwebele kuwe imitêtô yam.
2 Gcina imitêtô yam, udle ubomi,
Nesiyalo sam njengokôzo lweliso lakô.
3 Yibopê eminweni yakô,
Yibâle emacwecweni entliziyo yakô.
4 Yitî kubulumko, Ungudade wetû;
Utî, Ingqondo sihlobo;
5 Ukuze ugcinwe kumkamntu,
Kowolunye uhlanga ontetô igudileyo.
6 Kuba nge-festile yendlu yam,
Ndingasemva kwenqwanqwa ndalunguza,
7 Ndabona pâkatî kweziyatâ,
Ndaqonda pâkatî kwamadodana
Umfana oswele intliziyo,
8 Ehambâhambâ esesi-trateni kufupî nekûmbi lendlu yakê,
Enyatêla ngendlela ngasendlwini yakê;
9 Ngonewalazi,. ukumka komhla,
Napâkatî kobusuku esitôkotôkweni;
10 Nanko umfazi emkâulela,
Enengubo yehenyukazi, enentliziyo enobuqêtseba.
11 Uyapîtizela, uyinjubaqa,
Azihlali endlwini yakê inyawo zakê.
12 Utî epândle, abe esezi-trateni,
Alalele kufupî nembômbô zonke.
13 Wambambâ-ke, wamanga,
Wayingwanyalala ubuso, watî kuye,
14 Imibingelelo yoxolo ibipêzu kwam,
Namhla ndizizalisile izibâmbâtîso zam.
15 Ngenxa yoko ndipâme ndeza kukukâulela,
Ndihle ndakufuna ubuso bakô; ndikufumene-ke.
16 I-koyi yam ndiyandlele ngemiqamelo,
Ngengubo ezimfakamfele zoluko lwase-Yiputa;
17 Ndisifefe isilili sam
Nge-more ne-haloti ne-kinamon.

Digitized by Google

18 Yiza-ke sizikôlise ngezincokoliso kude kuse
Sizidlamkise ngotândo.
19 Kuba indoda ayikô ekâya,
Ihambê uhambô-olude;
20 Ipêtê inxôwa yemali;
Yobuya ngosuku lokuhlangana kwenyanga ukuza ekâya.
21 Wamtî-gubucala ngobuninzi bobucikо bakê,
Wamwexula ngokumcenga kwakê.
22 Wamlandela-ke ngesiqupê
Njengenkomo isiya ekuxêlwêni,
Njengesimatâne sisiya kuqinwa ngamakâmandela,
23 Njengentaka ikâulezela esibatêni,
Ingazi ukuba oko kuyingozi kumpêfumlo wayo,
Lude utolo lusicande isibindi sakê.
24 Kengoko, bonyana, ndipûlapûleni,
Niyibazele indlebe intetô yomlomo wam.
25 Intliziyo yakô mayinganxâxêli ezindleleni zakê,
Ungandwendweli emendweni wakê.
26 Kuba zininzi inxwelefa aziwisileyo;
Linani elikûlu alibuleleyo.
27 Izindlela zelabafileyo indlu yakê,
Zihla ziye ezingontsini zokufa.

8 Abumemezi-na ubulumko?
Nengqondo ayilikûpî-na izwi layo?
2 Emantloko endawo ezipêzulu ngasendleleni,
Ekuhlanganeni kwendlela buzimisile.
3 Ngasemasangweni, ekupûmeni kuso isikinindi,
Ekungeneni eminyango buyamemelela, butî,
4 Ndimemeza kuni, madoda;
Izwi lam ndilisingisa konyana baka-Adam.
5 Buqondeni ubuqili, ziyatâ;
Yiqondeni intliziyo, zinyabi.
6 Yivani, kuba nditêtâ izinto zobuhlalu,
Nokuvula imilebe yomlomo wam kutê-tye.
7 Ngokuba umlomo wam uxela inyaniso;
Okungendawo kulisikizi emilebeni yomlomo wam.
8 Yonke intetô yomlomo wam isebulungiseni;
Kuyo akukô kubijeneyo nokujibilizayo.
9 Zonke zipêla zitê-gca konengqondo,
Zitê-tye kwabafumene ukwazi.
10 Yamkelani uqeqesho lwam, ningamkeli silvere;
Yamkelani ukwazi ngapêzu kwe-golide embîweyo enyuliweyo.
11 Kuba ubulumko bulungile ngapêzu kwe-korale,
Nento zonke ezinqwenelwayo azilingani nabo.
12 Mna bulumko ndakêle ebuqilini,
Ndinokukufumana ukuyazi iminqangiyelo.
13 Ukoyika u-Yehova kukutîya into embî:
Iratshi nokuratsha, nendlela embî,
Nomlomo onempenduka ndiwutîyile.
14 Likum icebo nozimaso;
Ndiyingqondo, bobam ubugora.
15 Okumkani banobukumkani ngam;
Nezidwangube zimisa ubulungisa ngam.
16 Batêtêla ngam abatêtêli,
Namanene, nabagwebi bonke bomhlaba.
17 Abanditândayo ndiyabatânda nam;
Nabandifunayo kwakusasa bayandifumana.
18 Bunam ubutyebi nozuko,
Ubuncwane obusimakade, nobulungisa.
19 Silungile isiqâmo sam ngapêzu kwegolide embîweyo nakwengcwengekileyo;
Lulungile ungeniselo lwam ngapêzu kwe-silvere enyuliweyo.
20 Ndihambâ ngomendo wobulungisa,
Pâkatî kwendlela ezisesikweni,
21 Ukuze abanditândayo ndibadlise ilifa elililo,
Ndizizalise izindlu zabo zobuncwane.
22 U-Yehova wandivelisa ndayintlahlela yendlela yakê,
Ndangowamandulo emisebenzini yakê yakudala.
23 Ndamiswa kwasepâkadeni, kwasentloko,
Kwasemandulweni emhlaba.
24 Ndazalwa kungekabikô manzi anzongonzongo,
Kungekabikô mitômbô inzima ngamanzi.
25 Ndazalwa kungekafakwa ntaba,
Pâmbilî kwenduli,
26 Engekawenzi umhlaba namapândle,

Digitized by Google

Notûli lonke lwelimiweyo;
27 Ekuwalungiseni kwakê amazulu, ndandikô apô;
Ekubuzungulezeni kwakê ngomda ubuso bamanzi anzongonzongo;
28 Ekusiqiniseni kwakê isibâkabâka pêzulu,
Ekugalelekeni kwemitômbô yamanzi anzongonzongo;
29 Ekulumiseleni kwakê ulwandle umda walo,
Ukuba amanzi angawugqitî umtêtô wakê;
Ekuzimiseni kwakê iziseko zomhlaba:
30 Ndaye ndinaye ndiyincîbi yomsebenzi,
Ndiziyolisa ngokwam imini ngemini;
Ndidlala pâmbî kwakê ixesha lonke,
31 Ndidlala komiweyo umhlaba wakê,
Nokuziyolisa kwam kukonyana baka-Adam.
32 Kengoko, bonyana, ndiveni;
Hayi uyolo lwabazigcinayo indlela zam!
33 Yivani uqeqesho, nibe nobulumko,
Ningaluyeki.
34 Hayi uyolo lomntu ondivayo,
Elinde ezingcangweni zam imini ngemini,
Egcine emigubasini yeminyango yam.
35 Kuba ofumana mna, ufumene ubomi;
Uzuze okukôlekileyo ku-Yehova.
36 Opôsana nam wóna owakê umpêfumlo;
Bonke abanditîyayo batânda ukufa.

9 Ubulumko buyakîle indlu yabo,
Buzixôlile intsika zabo zosixénxe,
2 Buzixélile inkomo zabo, buyipîtikezile i-wayini yabo;
Busilungisile nesitébe sabo,
3 Butûme umtînjana wabo, buyamema
Ezingqolweni zenduli zesikinindi, butî,
4 Ngubanina osiyatâ? makapâmbûkele apâ;
Oswele intliziyo, butî kuye,
5 Yizani nidle isonka sam,
Nisele i-wayini endiyipîtikezileyo.
6 Yekani ukuba ziyatâ, nipîle;
Ninyatêle endleleni yengqondo.

7 Otêtîsa umgxeki uzizekela ucukuccezo;
Owohlwaya ongendawo uzizekela isipâko.
8 Mus'ukumohlwaya umgxeki, hleze akutîye;
Yohlwaya isilumko, sokutânda.
9 Siluleke isilumko, solumka okunye;
Lazise ilungisa lokongeza ukufunda.
10 Yingqalo yobulumko ukoyika u-Yehova;
Ukumazi Oyingcwele kwapêla yingqondo.
11 Kuba yoba mininzi imihla yakô,
Wongezwe iminyaka yobomi.
12 Ukuba utê walumka, uzilumkela okwakô;
Ukuba utê wagxeka oko, wokutwala wedwa.

13 Umfazi ongu-Nonyabi uyaxokozela,
Unobuyatâ, akazi nto;
14 Uhleli emnyango endlwini yakê esitulweni,
Ezindaweni ezipêzulu zesikînindi,
15 Ukuba ameme abadlula ngendlela,
Abalungelelanisa umendo wabo, esitî,
16 Ngubanina osiyatâ? makapâmbûkele apâ.
Oswele intliziyo, utî kuye,
17 Amanzi abiweyo anencasa,
Nesonka esityiwa ngasese simnandi kunene.
18 Akazi ukuba izitûnzela zikôna;
Basezinzulwini zelabafileyo abamenywa bakê.

10 Imizekeliso ka-Solomon.
1 Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise;
Ke unyana osiyatâ usinqâla sonina.
2 Abunyusi ubuncwane bokungendawo;
Ke bona ubulungisa buhlangula ekufeni.
3 U-Yehova akawuyeki ulambê umpêfumlo welungisa;
Ke imbîmbîtêlo yabangendawo uyayisunduza.
4 Uba lihlwempu osebenza ngesandla esidangeleyo;
Ke sona isandla sabakûtêleyo siyatyebisa.
5 Obutâ ehlotyeni ngunyana onengqiqo;
Owozela ngexa lokuvuna ngunyana odanisayo.

Digitized by Google

6 Zintsikelelo entloko yelungisa;
Ke wona umlomo wabangendawo ugubungela ugonyamelo.
7 Ukukûnjulwa kwelungisa kuhleli kunentsikelelo;
Igama labangendawo liba livitî.
8 Ontliziyo ilumkileyo uyayamkela imitêtô;
Omlomo ufuman'utêtê ukâhleleka pântsi.
9 Ohambâ nengqibelelo uhambâ ngenkoloseko;
Ke yena ojibilizayo ngendlela zakê uyaziwa.
10 Otyanda ngoshiyi ubanga imbûlaleko;
Omlomo ufuman'utêtê ukâhleleka pântsi.
11 Litênde lobomi umlomo welungisa;
Ke wona umlomo wabangendawo ugubungela ugonyamelo.
12 Intiyo ixôkonxa ingxabano;
Utândo lugubungela zonk' izono.
13 Ubulumko bufumaneka emlonyeni wonengqondo;
Intonga yeyomhlana woswele intliziyo.
14 Izilumko ziyakuqusheka ukwazi,
Ke wona umlomo wesimatâne yintshabalalo ekwalapâ ukusondela.
15 Ubuncwane besityebi ngumzi waso oliqele;
Intshabalalo yabasweleyo buhlwempu babo.
16 Umvuzo welungisa usingisa ebomini;
Ungeniselo longendawo lusingisa esonweni.
17 Umendo osa ebomini kukugcina uqeqesho;
Olahla isohlwayo uyandwendwa.
18 Oyifihlayo intiyo ungumlomo wexoki;
Ohambîsa intlebendwane usidenge.
19 Ebuninzini bamazwi akusweleki isono;
Owubambâyo umlomo wakê unengqiqo.
20 Yi-silvere enyuliweyo ulwimi lwelungisa;
Intliziyo yabangendawo yintwana enge yakônto.
21 Umlomo welungisa udlisa abaninzi;
Izimatâne zifa ngokuswela intliziyo.
22 Intsikelelo ka-Yehova yiyo etyebisayo,
Imbûlaleko ayongezi nento kuyo.
23 Ukwenza amanyala kunjengokudlala kwisidenge;
Bunjengokudlala ubulumko kwindoda enengqondo.
24 Into anxungupâla yiyo ongendawo, yiyo emfikelayo,
Akunqwenelayo amalungisa ayakunikwa.
25 Kwakugqitâ isaqŵitî, akabikô ongendawo;
Ke lona ilungisa lusekô lwapâkade.
26 Njenge-asin emazinyweni, njengomsi emehlweni,
Linjalo ivila kwabalitûmayo.
27 Ukoyika u-Yehova kongeza imihla;
Ke yona iminyaka yabangendawo iyanqanyulwa.
28 Ukulinda kwamalungisa luvuyo;
Itêmbâ labangendawo liyadaka.
29 Iyinqaba yabagqibeleleyo indlela ka-Yehova;
Yintshabalalo kubasebenzi bobutshinga.
30 Ilungisa alishukunyiswa napâkade;
Ke bona abangendawo abalihlali ilizwe.
31 Umlomo welungisa umila ubulumko;
Ulwimi lwempenduka luyanqanyulwa.
32 Imilebe yomlomo welungisa iyakwazi okwamkelekileyo;
Umlomo wabangendawo uyimpenduka.

11 I-sikali esikohlisayo singamasikizi ku-Yehova;
Ilitye elizeleyo lilîkôlo kuye.
2 Kwafika ukukûkûmala, kofika ukucukucezwa;
Bunabatôzamileyo ubulumko.
3 Ingqibelelo yabatê-tye iyabakâpâ;
Ukupênula kwamanginingini kuyawabûqa.
4 Abunyusi ubuncwane ngemini yokupûpûma komsindo;
Ubulungisa buyahlangula ekufeni.
5 Ubulungisa bogqibeleleyo bulungelelanisa indlela yakê;
Ongendawo uwa kwangokungendawo kwakê.
6 Ubulungisa babatê-tye buyabahlangula;
Amanginingini atîwa-hlasi kwa yimbîmbîtêlo yawo.

Digitized by Google

7 Ekufeni komntu ongendawo liyapêla
itêmbâ *lakê;*
Ukulinda kwabanamandla obudoda
kutshabalele.
8 Ilungisa liyahlangulwa embandezelweni,
Kufike ongendawo esikûndleni salo.
9 Intshembênxa iyamonakalisa uwayo
ngomlomo;
Ke ayahlangulwa amalungisa ngokwazi.
10 Isikinindi siyadlamka ngokuhlala kakuhle kwamalungisa;
Ekutshoneni kwabangendawo kuyamemelelwa.
11 Ngentsikelelo yabatê-tye siyapâkanyiswa isikinindi;
Ngomlomo wabangendawo siyahleleleka.
12 Odela uwabo uswele intliziyo;
Ke indoda enengqondo ihlala itî-tu.
13 Ohambâ ehleba uhlakaza ucweyo;
Ke yena omoya unyanisileyo uyayigubungela into.
14 Kwakuba kungekô mbonisi, bayawa abantu;
Usindiso lusebuninzini bamapâkatî.
15 Kubi kakûlu komele omnye;
Ke yena okutîyayo ukumela omnye ukôlosile.
16 Umfazi osimilo silungileyo uzizekela uzuko;
Abanobungqwangangqwili bazizekela ubutyebi.
17 Uwupêtê kakuhle umpêfumlo wakê umntu onenceba;
Isijoŕa siyihlisele ishwangusha inyama yaso.
18 Ongendawo usebenzela umvuzo oyinkohliso;
Ke yena ohlwayela ubulungisa unomvuzo oyinyaniso.
19 Ubulungisa obububo busingisa ebomini;
Opûtûma ububi usingisa ekuzibulaleni kwakê.
20 Ngamasikizi ku-Yehova abantliziyo zijibilizayo;
Ukôlwa ngabo, abandlela zigqibeleleyo.
21 Ukakade onobubi akabi msulwa;
Ke yona imbêwu yamalungisa iyasinda.
22 Likônco le-golide etâtêni lehangu,
Inzwakazi eswele imyo.
23 Umnqweno wamalungisa yinto elungileyo yodwa;
Itêmbâ labangendawo kukupûpûmanje komsindo.
24 Kukô ohlakazayo, aye esanda ngokwanda;
Kukô nozinqandayo kokumfaneleyo, oko kube yintswelo yodwa.
25 Umpêfumlo osikelelayo uyatyetyiswa;
Oseza ahlutise abanye, uyasezwa ahlute naye.
26 Omangala nenqôlowa, luyamqalekisa uluntu;
Intsikelelo isentloko yotêngisa ngayo.
27 Ozondelele okulungileyo ufuna okwamkelekileyo;
Onxâmele ububi, buya kumfikela.
28 Okôlosa ngobutyebi bakê uya kuwa yena;
Ke amalungisa aya kuhluma njengamagqabi.
29 Ogxugxisa indlu yakê uya kudla ilifa elingumoya;
Isimatâne soba ngumkônzi kontliziyo ilumkileyo.
30 Isiqâmo selungisa ngumtî wobomi;
Umbambîsi wemipêfumlo silumko.
31 Yabona, ilungisa liyavuzwa emhlabeni;
Wobeka pîna-ke ongendawo nomoni!

12 Utânda uqeqesho otânda ukwazi;
Utîya isohlwayo osityakala.
2 Olungileyo uyamkeleka ku-Yehova;
Indoda enamayelenqe uyifumana inetyala.
3 Akuzimaseki mntu enokungendawo;
Ke yona ingcambû yamalungisa ayishukunyiswa.
4 Umfazi onesidima usitsaba endodeni yakê;
Owenza okuzintloni unjengempêhla ematânjeni ayo.
5 Ingcinga zamalungisa zisesikweni;
Amacebo abangendawo yinkohliso.
6 Amazwi abangendawo ngawokulalela igazi;
Umlomo wabatê-tye uyabahlangula.
7 Bakuba bebûkuqiwe abangendawo, ababikô;
Indlu yamalungisa iyema.
8 Indoda idunyiswe ngokwengqiqo yayo,
Entliziyo igwenxa iba ngodelekileyo.

Digitized by Google

9 Ulungile opântsi enomkônzi
Ngapézu kozizukisayo eswele ukudla.
10 Ilungisa liyawazalelela umpêfumlo wenkomo yalo;
Imfesane zabangendawo zibubujoła.
11 Owusebenzayo umhlaba wakê uhluta kukudla;
Osukelana nento engento uswele intliziyo.
12 Ongendawo ukânuka okuzingelwa ngabanobubi;
Ingcambû yamalungisa iyanika,
13 Ekupôsiseni komlomo kukô isifintyelo esinobubi;
Ke lona ilungisa liyapûma embândezelweni.
14 Ngesiqâmo somlomo wayo indoda iyahluta kokulungileyo;
Nempâtô yezandla zomntu ibuyela kuye.
15 Indlela yesimatâne itê-tye kwawaso amehlo;
Opûlapûla ukucetyiswa usilumko.
16 Isimatâne sikwazisa kwa ngalomini ukuqumbâ kwaso;
Ke yena onobuqili uyakugubungela ukucukucezwa.
17 Opêfumla inyaniso uxela ubulungisa;
Inqîna elixokayo lixela inkohliso.
18 Kukô opololoza njengokuhlaba kwerele;
Ke lona ulwimi lwezilumko luyapîlisa.
19 Umlomo wenyaniso uzimasekile kwapêla;
Ke lona ulwimi oluxokayo lolwepânyazo.
20 Inkohliso isentliziyweni yabayila ububi;
Kê bona abacebi boxolo bayavuyisa.
21 Ilungisa aliqubisani nobubi;
Ke bona abangendawo bazele yinxwâleko.
22 Ungamasikizi ku-Yehova umlomo oxokayo;
Abenza inyaniso ukôlisiwe ngabo.
23 Umntu onobuqili uyakugubungela ukwazi;
Intliziyo yesinyabi ivakalisa ukumatâ.
24 Isandla sabakûtêleyo siyalaula;
Ukudangala kufakwa uviko.
25 Isitûkutêzi esisentliziyweni yendoda siyenz' igone;
Liyayivuyisa ilizwi elihle.
26 Ilungisa liyalihlola idlelo lalo;
Indela yabangendawo iyabandwendwisa.
27 Odangeleyo akayibûlisi inyamakazi yakê;
Ke ubuncwane obunqabileyo bomntu kukukûtâla.
28 Busemendweni wobulungisa ubomi;
Ukuyinyatêla indlela yabo kukungafi.

13 Unyana osilumko luqeqesho lukayise;
Ke yena umgxeki akeva kukâlinyelwa.
2 Ngesiqâmo somlomo wayo indoda idla okulungileyo,
Ke wona umnqweno wamanginingini kukugonyamela.
3 Obambê umlomo wakê ugcine umpêfumlo wakê;
Owutê-qeke umlomo wakê yintshabalalo kuye leyo.
4 Umpêfumlo wevila uyanqwena, ungazuzi;
Umpêfumlo wabakûtêleyo uyatyetyiswa.
5 Ilungisa liyitîyile into ebuxoki;
Yena ongendawo uyanukisa, enze okuzintloni.
6 Ubulungisa bulondoloza ihambô egqibeleleyo;
Okungendawo kuyampênula umoni.
7 Kukô ozenza isityebi, engenayo nento;
Kukô ozenza isisweli, enobuncwane obuninzi.
8 Ucamagusho lompêfumlo wendoda butyebi bayo;
Isisweli asiva kusongelwa.
9 Isikânyiso samalungisa siyavuya;
Ke sona isibane sabangendawo siyacima.
10 Ngokukûkûmala kuvuka ukulwa kupêla;
Ubulumko bunabavuma ukucetyiswa.
11 Ubuncwane basebubêdengwini buya kuncipâ;
Ke yena obutâ ngezipâ, uyandisa.
12 Ukulinda okubanjezelweyo kubulala ntliziyo;
Ungumtî wobomi umnqweno ofezekileyo.
13 Odela ilizwi ubanjwa lilo;
Owoyika umtêtô uyavuzwa.

Digitized by Google

14 Umyalelo wesilumko litênde lobomi,
Ukuze kumkiwe ezifintyelweni zokufa.
15 Ingqiqo entle ibanga ubukôlwane;
Indlela yamangininginí inzima.
16 Bonke abanobuqili benza ngokwazi;
Isinyabi siyakwaneka ukumatâ.
17 Umtûnywa ongendawo weyela ebubini;
Isigidimi esinyanisileyo siyapîlisa.
18 Unobuhlwempu nocukucezo opûlukene noqeqesho;
Osigcinileyo isohlwayo uyazukiswa.
19 Umnqweno ofeziweyo unencasa empêfumlweni;
Kulisikizi kwisinyabi ukumka ebubini.
20 Ohambâ nezilumko uba silumko naye;
Ke olikôlwane lesidenge uyakonakaliswa.
21 Aboni basukelwa bububi;
Ke wona amalungisa ayavuzwa kokulungileyo.
22 Olungileyo ushiya ilifa kubazukulwana bakê;
Ubutyebi bomoni buqwetyelwe ilungisa.
23 Umkûbelo wamahlwempu unokudla okuninzi;
Kukô opêtshetwa kukungabi nabulungisa.
24 Oyiyekileyo intonga yakê umtîyile unyana wakê;
Ke omtândayo umqeqesha esemncinane.
25 Ilungisa lidla ukuba kuhlute umpêfumlo walo;
Ke sona isisu sabangendawo siyalambâ.

14 Ubulumko bomfazi buyayakâ indlu yakê;
Ukumatâ *kwakê* kuyayicîtâ ngezakê izandla.
2 Uhambâ ngokutê-tye owoyika u-Yehova;
Utî-gubucala ngendlela zakê omdelayo.
3 Lusemlonyeni wesimatâne uswazi lwefatshi;
Umlomo wezilumko uyazigcina.
4 Apô kungekô nkomo, umkômbê westali uba zê;
Indyebo eninzi iza ngamandla enkomo.
5 Inqîna elinyanisileyo aliwatêtî amanga;
Ke lifutâ amanga inqîna elixokayo.
6 Umgxeki ufuna ubulumko, angabuzuzi;
Ukwazi kulula konengqondo.
7 Suka ebusweni bendoda esinyabi;
Akuze wafumana mlomo wokwazi *kuye*.
8 Ubulumko bonobuqili bukukuyiqonda indlela yakê;
Ukumatâ kwezinyabi yinkohliso.
9 Idini letyala liyazigxeka izimatâne;
Pâkatî kwabatê-tye yimvisiswana.
10 Intliziyo iyabazi ubufara bayo ngokwayo;
Omnye umntu akanakuzingenisa eluvuyweni lwayo.
11 Indlu yabangendawo iyatshatyalaliswa;
Ke in-tente yabatê-tye iyatyatyambâ.
12 Kukô indlela etê-tye pâmbî komntu;
Ukanti ukupêla kwayo zindlela zokufa.
13 Nasekuhlekeni intliziyo inomvandedwa;
Nokupêla kwalo uvuyo sisinqâla.
14 Uhluta zindlela zakê ontliziyo ishenxileyo;
Umntu olungileyo uhluta zizenzo zakê ngokwakê.
15 Isiyatâ sikôlwa ngamazwi onke;
Onobuqili uyakuqonda ukunyatêla kwakê.
16 Isilumko siyoyika, sisuke entweni embî;
Isinyabi sipûpûma umsindo, sizitêmbîle.
17 Ozekanekayo wenza ukumatâ;
Indoda yamayelenqe itîyekile.
18 Ilifa leziyatâ kukumatâ;
Abanobuqili banxiba isitsaba sokwazi.
19 Abenzi bobubi basibekeka pâmbî kwabalungileyo;
Abangendawo bema emasangweni amalungîsa.
20 Ihlwempu litîywa nanguwalo;
Ke bona abatânda isityebi baninzi.
21 Omdelayo uwabo uyôna,
Obabala abazintsizana, hayi uyolo lwakê!
22 Abayi kulahleka yinina abayila ububi?

Digitized by Google

Inceba nenyaniso ibe nabayila okulungileyo.
23 Ekubulalekeni konke kubakô ungeniselo;
Ke ukutêtâ komlomo kubanga ukuswela kodwa.
24 Busitsaba sezilumko ubutyebi bazo;
Ukumatâ kwezinyabi kukumatâ.
25 Inqîna lenyaniso lihlangula imipêfumlo;
Ke elifutâ amanga liyinkohliso.
26 Ekoyikeni u-Yehova kukô inkoloseko eliqele,
Abantwana bakê baba nendawo yokuzimela.
27 Ukoyika u-Yehova litênde lobomi,
Ukuze kusukwe ezifintyelweni zokufa.
28 Busebuninzini babantu ubungangamela bokumkani;
Kusekupêleni koluntu ukutshabalala kwesidwangube.
29 Ozeka kade umsindo unengqondo eninzi;
Ke yena ozekanekayo ucapûla ukumatâ.
30 Bubomi benyama intliziyo epôlileyo;
Ke lona ikwele yimpehla ematânjeni.
31 Ocudisa isisweli ungcikiva u-Menzi waso;
Olibabalayo ihlwempu uyamzukisa.
32 Ongendawo uyangqulwa bububi bakê;
Ke ilungisa linehlatî ekufeni kwalo.
33 Entliziyweni yonengqondo buyapûmla ubulumko;
Ke embilinini wesinyabi buyazazisa.
34 Ubulungisa buyalupâkamisa uhlanga;
Isono lihlazo lezizwe.
35 Inkolelo yokumkani ikumkônzi oqiqayo;
Ukupûpûma kwakê umsindo kukowenza okuzintloni.

15 Impendulo etâmbîleyo ibuyisa ubushushu;
Ilizwi elidubulayo linyusa umsindo.
2 Ulwimi lwezilumko lulungisa ukwazi;
Umlomo wezinyabi umpômpôza ukumatâ.
3 Asezindaweni zonke amehlo ka-Yehova,
Ebonisela abanobubi nabalungileyo.
4 Ukupôla kolwimi ngumtî wobomi;
Ke ukupênula kwalo kwapûla umoya.
5 Isimatâne sigiba uqeqesho loyise;
Osigcinileyo isohlwayo uba nobuqili.
6 Indlu yelungisa nguvimbâ omkûlu;
Ke ngongeniselo longendawo kukô ukuhlisa ishwangusha.
7 Umlomo wezilumko uhlwayela ukwazi;
Ke yona intliziyo yezinyabi ayindawo.
8 Umbingelelo wabangendawo lisikizi ku-Yehova;
Umtândazo wabatê-tye ngowona akôlwa nguwo.
9 Ilisikizi ku-Yehova indlela yongendawo;
Ke opûtûma ubulungisa uyatândwa nguye.
10 Uqeqesho olubî lolowushiyayo umendo;
Otîya isohlwayo uya kufa.
11 Elabafileyo nenzonzobila zipâmbî ko-Yehova;
Zibeke pîna-ke intliziyo zonyana baka-Adam!
12 Umgxekî akakutândi ukohlwaywa kwakê,
Akayi kwizilumko.
13 Intliziyo evuyileyo iyabucwayitîsa ubuso;
Ekubulalekeni kwentliziyo umoya utî-dakumbâ.
14 Intliziyo enengqondo ifuna ukwazi;
Umlomo wesinyabi usukelana nokumatâ.
15 Yonke imihla yosizana mibi;
Intliziyo ecwayitîleyo inesidlo ngamaxesha onke.
16 Ilungile intwana encinane kunye nokoyika u-Yehova,
Ngapêzu kwendyebo eninzi kunye nokuxâlaba.
17 Ulungile umxêsho womfuno kunye notândo,
Ngapêzu kwenkomo etyetyisiweyo kunye nentiyo.
18 Indoda enobushushu ixâya ingxabano;
Ezeka kade umsindo idambîsa imbambâno.
19 Indlela yevila ngatî ibiyelwe ngemitôlo;
Ke umendo wabatê-tye ubekelelwe.

Digitized by Google

20 Unyana olumkileyo uyamvuyisa uyise;
Umntu osinyabi udela unina.
21 Ukumatâ luvuyo koswele intliziyo;
Ke indoda enengqondo itî-tye ukuhambâ.
22 Ingcinga ziyatshitsha ngokungabikô kokucweya;
Ke zona zima ngamapâkatî amaninzi.
23 Indoda inovuyo ngempendulo yomlomo wayo;
Ilizwi elitétwe ngexa elililo, azi lilihle!
24 Koqiqayo umendo wobomi usinga pêzulu,
Ukuze emke kwelabafileyo elingapântsi.
25 U-Yehova uyayincotûla indlu yabaneratshi,
Amise umlima-ndlela womhlolokazi.
26 Zingamasikizi ku-Yehova ingcinga ezimbî;
Ke ahlambûlukile amazwi amnandi.
27 Uyihlisela ishwangusha indlu yakê obawela inzuzo embî;
Ke yena otîya isicêngo, uya kupila.
28 Intliziyo yelungisa iyakucamanga ukupendula;
Ke wona umlomo wabangendawo umpompoza ububi.
29 U-Yehova ukude nabangendawo;
Ke wona umtândazo wamalungisa uyawuva.
30 Ukukânya kwamehlo kuvuyisa intliziyo;
Indaba ezimnandi zityebisa amatâmbô.
31 Indlebe esivayo isohlwayo sobomi
Ihlala pâkatî kwezilumko.
32 Opûlukene noqeqesho ucekisa umpêfumlo wakê;
Osivayo isohlwayo ufweba ukuqonda.
33 Ukoyika u-Yehova luqeqesho lobulumko;
Ngapâmbî kozuko lululamo.

16 Zezomntu izicwangciso zentliziyo;
Ke yona impendulo yolwimi ivela ku-Yehova.
2 Zonke indlela zendoda ziqaqambîle kwawayo amehlo;
Ke yena umlinganisi womoya nguYehova.
3 Qengqela ku-Yehova izenzo zakô,
Zizimasecke ingcinga zakô.
4 Zonke izinto u-Yehova uzenzele intsingiselo yakê,
Kwa nongendawo umenzele imini yobubi.
5 Balisikizi ku-Yehova bonke abantliziyo izidlayo;
Kakade-ke, ababi msulwa.
6 Ngenceba nenyaniso buyacanyagushelwa ubugwenxa;
Ngokoyika u-Yehova umntu uyatyeka ebubini.
7 Ekukôlisweni kuka-Yehova zindlela zendoda,
Uyixolelanisa nentshaba zayo nayo.
8 Ilungile intwana encinane onobulungisa,
Ngapêzu kolungiselo oluninzi qlu kunye nokunge sesikweni.
9 Intliziyo yomntu icinga indlela yakê;
Ngu-Yehova oyalela ukunyatêla kwakê.
10 Izihlabo zisemilebeni yomlomo wokumkani;
Mawungamenezi esikweni umlomo wakê.
11 Isilinganiso ne-skali esisesikweni sesika-Yehova;
Asisenzo sakê onke amatye asenxôweni.
12 Lisikizi kubo okumkani ukwenza okungendawo;
Kuba i-trone izinziswa bubulungisa.
13 Ukumkani uyakôliswa ngumlomo wobulungisa;
Otêtâ okutê-tye uyatândwa.
14 Ubushushu bokumkani buzizitûnywa bokufa;
Ke indoda elumkileyo iyamcamagusha.
15 Ekukânyeni kobuso bokumkani bubomi;
Okutândwa nguye kunjengelifu lemvula yasekwindla.
16 Ukufweba ubulumko kungakananina ukulunga kwakô ngapêzu kwegolide embîweyo!
Nokufweba ingqondo kungakananina ukunyuleka kwakô ngapêzu kwesilvere!
17 Umendo wabatê-tye kukutyeka ebubini;
Ulondoloza umpêfumlo wakê ogcina indlela yakê.
18 Iratshi likôkêla intshabalalo;
Ukuzidla kukôkela ukukûbeka.

Digitized by Google

19 Kulungile ukuba nomoya otôbekileyo pâkatî kwabalulamileyo,
Ngapêzu kokwaba amaxôba nabanefatshi.
20 Oliqiqayo ilizwi uya kufumana okulungileyo;
Okôlose ngo-Yehova, hayi uyolo lwakê!
21 Ontliziyo ilumkileyo kutîwa unengqondo;
Nobumnandi bomlomo bongeza imfundiso.
22 Litênde lobomi ingqiqo kumniniyo;
Ke lona uqeqesho lwezimatâne kukumatâ.
23 Intliziyo yesilumko iyawuqiqisa umlomo waso,
Yongeze imfundiso emilebeni yomlomo waso.
24 Linqatâ lobusi amazwi amnandi,
Yincasa empêfumlweni, yimpiliso ematânjeni.
25 Kukô indlela etê-tye pâmbî komntu,
Ukanti ukupêla kwayo zindlela zokufa.
26 Ukulambâ komxelengi kuyamxelengela;
Ngokuba umlomo wakê uyamqûba.
27 Umntu olitshijolo umbâ ububi:
Emlonyeni wakê ngatî ngumlilo otshisayo.
28 Indoda epêndukayo ingenisa ingxabano;
Nentlebi yahlula amakôlwane.
29 Indoda egonyamelayo ihenda uwayo,
Imbambîse ngendlela engalungileyo.
30 Ocima amehlo akê, kukuba acinge impenduka;
Oluma umlomo wakê ugqibe ububi.
31 Isitsaba sokuhombâ zizimvi,
Sifunyanwa endleleni yobulungisa.
32 Ozeka kade umsindo ulunge ngapêzu kwegofa;
Okulaulayo ukufutâ kwakê ulunge ngapêzu kotîmbâ umzi.
33 Umntu upôsa iqashiso esondweni lengubo;
Ke ukugqitywa kwalo konke kuno-Yehova.

17 Iqêkeza elomileyo lesonka kunye nokucûlumacâ lilungile,
Ngapêzu kwendlu ezele yimibingelelo, enembâmbâno.
2 Umkônzi onengqiqo uya kulaula unyana owenza okuzintloni,
Ahlule ilifa pâkatî kwabazalwana.
3 Ukâmbâ lolokunyibilikisa i-silvere; iziko lelokunyibilikisa i-golide;
Umcikidi wentliziyo ngu-Yehova.
4 Onobubi uwubazela indlebe umlomo onenkohliso,
Upûlapûla ubuxoki obuselulwimini olweyeliselayo.
5 Ogculela ihlwempu ungcikiva u-Menzi walo;
Ovuyela inxwâleko akabi msulwa.
6 Isitsaba samadoda amakûlu ngonyana bonyana;
Isihombô sonyana ngoyise.
7 Ayisifanele isidenge intetô ekûkûmeleyo;
Yobeka pîna-ke ukungalifaneli inene intetô ebuxoki.
8 Sililitye elinqabileyo emehlweni omninilo isicengo,
Apô asukuba ebeka kôna, wenza ngengqiqo.
9 Ugubungela isifeqo ofuna utândo;
Opînda ayitêtê into wahlula amakôlwane.
10 Ukukâlinyelwa kuyangena konengqondo
Ngapêzu kwemivumbô elikûlu kosinyabi.
11 Onenkani ufuna ububi bodwa;
Ngoko-ke utûnyelwa untûnywa osijofa.
12 Qubisana ne-bere ehlutwe amatôle ayo,
Ungaqubisani nesinyabi ekumatêni kwaso.
13 Obuyekeza okubi esikûndleni sokulungileyo,
Abuyi kusuka ububi endlwini yakê.
14 Kukuvulela amanzi ukuqala kwengxabano;
Yiyeke imbâmbâno kungekavunganyelwana.
15 Omgwebelayo ongendawo, kwa noligwebayo ilungisa,
Bangamasikizi ku-Yehova bobabini.
16 Lelokwenza-nina inani elisesandleni sesinyabi lokufweba ubulumko,
Singe nantliziyo nje?
17 Umhlobo utânda ngamaxesha onke;
Umzalwana uzalelwe imbândezelo.
18 Umntu oswele intliziyo ngobambâna nomnye ngesandla,

Digitized by Google

Ngomela umelo pâmbî kowabo.
19 Utânda uřeqo otânda ukulwa;
Owupâkamisayo umnyango wakê ufuna ukuqêkeka.
20 Ontliziyo ijibilizayo akayi kukufumana okulungileyo;
Opênduka ngolwimi lwakê weyela ebubini.
21 Ozala isinyabi uzizalela isinqâla;
Akanaluvuyo uyise wesidenge.
22 Intliziyo evuyileyo iyalungisa, icâcîse;
Umoya odakumbîleyo uyawomisa amatâmbô.
23 Ongendawo wamkela isicêngo esivela esondweni lengubo,
Ukuze agqwetê indlela esesikweni.
24 Ubuso bonengqondo bubêke ebulumkweni;
Ke amehlo esinyabi asekupêleni komhlaba.
25 Ububuhlungu boyise unyana osinyabi,
Ububuřařa kumzalikazi wakê.
26 Akulungile ukuhlaulisa nelungisa,
Nokubetâ amanene ngenxa yokutêtye.
27 Owanqandayo amazwi akê unokwazi;
Omoya upôlileyo yindoda enengqondo.
28 Kwa nesimatâne, ukuba sihleli satîtu, kutîwa silumko;
Singawuvingca umlomo waso, kutîwa sinengqondo.

18 Ozahlulayo ufuna umnqweno *wakê:*
Into yonke ezimasayo uyayivungamela.
2 Isinyabi asikunanzile ukuqonda;
Ke sinanzê ukuzitŷila kwentliziyo yaso.
3 Ekuzeni kongendawo kuza ukudela,
Ukungcikiva nokucukuceza.
4 Ngamanzi anzulu amazwi omlomo wendoda.
Ngumlanjana obalekayo, litênde lobulumko.
5 Ukukêta ubuso bongendawo akulungile,
Nokugqwetâ ilungisa ekutêtêni ityala.
6 Imilebe yomlomo wesinyabi ingena ekubambâneni,
Nomlomo waso ubiza amanqindi.
7 Umlomo wesinyabi uyasitshabalalisa,
Nemilebe yomlomo waso sisifintyelo sompêfumlo waso.
8 Amazwi entlebi yimitâmo emnandi;
Yona ihla iye ezingontsini zombilini.
9 Nohilizayo eshishinini lakê
Ngumninawe wokokonakalisa.
10 Yinqaba ende eliqele igama lika-Yehova;
Ilungisa ligidimela kulo, liba sengxondeni.
11 Ubuncwane besityebi sikinindi saso esiliqele;
Bunjengodonga olupâkamileyo emabongweni aso.
12 Pâmbî kwentshabalalo iyazidla intliziyo yendoda;
Pâmbî kozuko lululamo.
13 Opêndula ngelizwi engekeva,
Kukumatâ oko kuye nehlazo.
14 Umoya wendoda uyasinyamezela isifo sayo;
Ke umoya odakumbileyo, ngubanina ongawutŵalayo?
15 Intliziyo yonengqondo iřweba ukwazi;
Nendlebe yezilumko ifuna ukwazi.
16 Isipô somntu siyamgabulela,
Simse pâmbî kwabakûlu.
17 Unga ulilungisa oqalelayo etyaleni lakê;
Uza uwabo, amgocagoce.
18 Lipêlisa ingxabano iqashiso,
Libahlule abanamandla.
19 Umzalwana ekuřeqiweyo kuye ulukûni ngapêzu kwesikinindi esiliqele,
Nengxabano zinjengomvalo woxande olude.
20 Ngesiqâmo somlomo wendoda uyahlutâ umbilini wayo;
Iyahlutâ ngongeniselo lomlomo wayo.
21 Ukufa nokupîla kusemandleni olwimi;
Abalutândayo baya kudla isiqâmo salo.
22 Otê wafumana umfazi, ufumene okulungileyo,
Uzuze okulikôlo ku-Yehova.
23 Ihlwempu litétâ ngezibongozo;
Isityebi sipéndula ngokulukûni.
24 Indoda enezihlobo iyacîtŵa;
Kukô sitândwa sinamatêlayo kunomzalwana.

Digitized by Google

19 Lilungile ihlwempu elihambâ ngengqibelelo yalo,
Ngapêzu komlomo ujibilizayo, esinyabi yena.
2 Kananjalo ukutî, Umpêfumlo ungabi nakwazi akulungile;
Onyawo zinxâmileyo uyazipôsa indlela.
3 Ukumatâ komntu kupênula indlela yakê;
Ijalele u-Yehova intliziyo yakê.
4 Ukutyeba kongeza izihlobo ezininzi;
Ke osweleyo, nesihlobo sakê siyahlukana naye.
5 Inqîna elixokayo alibi msulwa;
Ofutâ amanga akasindi.
6 Baninzi abacenga amanene;
Yonke into esihlobo ikwindoda epâyo.
7 Bonke abazalwana behlwempu balitîyile;
Zibeka pîna-ke izihlobo ukuya kude kulo!
Lisukela amazwi angento.
8 Ofweba intliziyo utânda umpêfumlo wakê;
Ogcina ingqondo uya kufumana okulungileyo.
9 Inqîna elixokayo alibi msulwa;
Ofutâ amanga uyatshabalala.
10 Akusifanele isinyabi ukudla ubuncwane;
Kobeka pîna-ke ukungamfaneli umkônzi ukulaula abatêtêli!
11 Ingqiqo yomntu imenza azeke kade umsindo;
Sisihombô sakê ukulugqitâ uŕeqo.
12 Kugquma kwengonyama entsha ukujala kokumkani;
Sinjengombetê emfunweni isisa sakê.
13 Ngumeyeliselo kuyise unyana osinyabi;
Luqôqôzo oluxikileyo ingxabano yomfazi.
14 Indlu nobutyebi lilifa loyise;
Ke yena umfazi onengqondo uvela ku-Yehova.
15 Ubuvila buwisela ebutôngweni obukûlu;
Umpêfumlo odangeleyo uyalambâ.
16 Ogcine umtêtô ugcine umpêfumlo wakê;
Ozidelayo indlela zakê uya kufa.
17 Uboleka u-Yehova obabala isisweli;
Umbuyekeza ukupâtâ kwakê okuhle.
18 Mqeqeshe unyana wakô, xa kusekô itêmbâ;
Ke unganxâmeli kumbulala.
19 Onomsindo omkûlu umelwe kuhlaula;
Kuba xa utê wamhlangula, woba mandundu.
20 Live icebo, ulwamkele uqeqesho,
Ukuze ulumke ngexesha elizayo.
21 Zininzi ingcinga entliziyweni yomntu;
Noko-ke licebo lika-Yehova eliya kuma.
22 Umqweno womntu yinceba yakê;
Ke lilungile ihlwempu ngapêzu kwendoda enamanga.
23 Ukoyika u-Yehova kusa ebomini;
Ehlutî, ulalisa angahlelwa bubi.
24 Ivila lisifake isandla salo esityeni,
Alibi sasibuyisela emlonyeni walo.
25 Umbetîle umgxeki, siba nobuqili isiyatâ;
Umohlwayile onengqondo, woqonda azi.
26 Ombûqayo uyise, omgxotâyo unina
Ngunyana owenza okuzintloni ongcikivayo.
27 Yeka, nyana wam, ukutî uve uqeqesho,
Kanti uya kusuka ulahlekane nentetô yokwazi.
28 Inqîna elilitshijolo ligxeka isiko;
Umlomo wongendawo uginya ubutshinga.
29 Izigwebo zilungiselwe abagxeki;
Imivumbo ilungiselwe umhlana wesinyabi.

20 Ingumgxeki i-wayini, singumxokozeli isiselo esinxilisayo;
Bonke abayotywe yiyo abalumkile.
2 Ngumgqumo onjengowengonyama entsha umetûso wokumkani;
Omqumbîsayo wŏna umpêfumlo wakê.
3 Kuluzuko endodeni ukuhlalela kude nengxabano;
Ke zona izimatâne zonke ziyavungama.
4 Ebusika ivila alilimi;
Liyafuna ngexa lokuvuna, kungabikô nto.
5 Ngamanzi anzulu icebo entliziyweni yendoda;
Kanti indoda enengqondo iyalîfola.

Digitized by Google

6 Uninzi lwesihtu luyayihlangabeza indoda enenceba kulo;
Ke yona indoda enyanisileyo ngubanina ongayifumanayo?
7 Ohambâ ngengqibelelo yakê elilungisa,
Hayi uyolo lonyana bakê emva kwakê!
8 Ukumkani ehleli esihlalweni sokugweba,
Uclâcilâ ububi bonke ngamehlo akê.
9 Ngubanina ongati, Ndiyiqaqambîsile intliziyo yam,
Ndihlambûlukile esonweni sam.
10 Amatye ngamatye, i-efa nge-efa,
Ngamasikizi ku-Yehova ezonto zombîni.
11 Nenkwenkwe iyazazisisa ngentlondi zayo,
Nokuba kuqaqambîle, nokuba kutêtye ukwenza kwayo.
12 Indlebe evayo, neliso elibonayo,
U-Yehova uzenzile ezonto zombîni.
13 Mus'ukutânda ubutôngo, hleze uhlwempuzeke;
Vula amehlo akô, uhlute kukudla.
14 Imbî, imbî! utsho otêngayo;
Emke, andule aqâyise.
15 Kukô i-golide ne-korale ezininzi;
Ke yona impahla enqabileyo ngumlomo onokwazi.
16 Tâbatâ ingubo yakê, ngokuba emele omnye;
Menze isibambîso ngenxa yabasemzini.
17 Sinencâsa endodeni isonka sobuxoki;
Ke emveni koko umlomo wayo uzala luhlalu.
18 Ingcinga zizinyaswa yingcebiswano;
Yilwe imfazwe unecebo elilungileyo.
19 Ohambâ ehleba uhlakaza ucweyo,
Ungadibani nepôlopôlo.
20 Otshabisa uyise nonina,
Isibane sake sicima ebumnyameni pâkatî.
21 Ilifa elizuzwe bupûtûpûtû ekuqaleni,
Ukupêla kwalo akunantsikelelo.
22 Mus'ukutî, Ndiya kubupîndezela ububi;
Tembêla ku-Yehova, wokusindisa.
23 Ngamasikizi ku-Yehova, amatye ngamatye;
Ne-skali esikôhlisayo asilungile.
24 Kuvela ku-Yehova ukunyatêla kwendoda;
Umntu ângati-hlita ukuyiqonda indlela yakê?
25 Sisifintyelo emntwini ukufumana ati, Ingcwele;
Âqale emva kwesibâmbâtîso, apicotê.
26 Uclâcilâ abangendawo ukumkani olumkîleyo,
Aguqulele pêzu kwabo umlenze wenqwelo.
27 Sisibane sika-Yehova umpêfumlo womntu,
Sipêngulula zonke ingontsi zembîlini.
28 Inceba nenyaniso ilondoloza ukumkani;
Uyixâsa i-tronê yakê ngenceba.
29 Isihombô samadodana ngamandla awo;
Ubuhle bamadoda amakûlu zizimvi.
30 Imivumbô etyabulayo iguxa ububi;
Izibetô ziguxa ingontsi zembîlini.

21 Yimijelo yamanzi intliziyo yokumkani esandleni sika-Yehova;
Uyibêkisa apô asukub'etânde kôna.
2 Zonke indlela zendoda zitê-tye kwawayo amehlo;
Umlinganisi wentliziyo ngu-Yehova.
3 Ukwenza ubulungisa nokusesikweni
Kunyulekile ku-Yehova ngapêzu kombingelelo.
4 Ukuqwayinga kwamehlo nokugungubala kwentliziyo,
Kwa nokukubela kwabangendawo kusisono.
5 Ingcinga zabakûtêleyo zisingisa elungeniselweni lodwa;
Konke ukunxâma kusingisa entsweleni yodwa.
6 Ukuzuza ubuncwane ngolwimi oluxokayo
Ngumpûnga opêpêtêkayo wabafuna ukufa.
7 Ukubûqa kwabangendawo kuyalaqweqwedisa;
Ngokuba abavumi ukwenza okusesikweni.
8 Iligosogoso indlela yendoda ehetyala;
Ke yena ohlambûlukileyo umselenzi wake utê-tye.
9 Kulungile ukuhlala elunqâmekweni olupêzu kwendlu,
Kunokuhlala ndlwini nye nomfazi onengxabano.

Digitized by Google

10 Umpêfumlo wongendawo unqwenela ububi;
Amehlo akê akambabali uwabo.
11 Ekuhlauliswéni komgxeki siyalumka isiyatâ;
Ekuqiqisweni kwaso isilumko samkela ukwazi.
12 Ilungisa liyayiqiqa indlu yongendawo;
Libapênulela ebubini abangendawo.
13 Ovingca indlebe zakê ekukâleni kwesisweli,
Naye uya kubiza angaviwa.
14 Isipô entsitêlweni sinqanda umsindo,
Isicêngo esondweni lengubo sinqanda umsindo onamandla.
15 Kuluvuyo kwilungisa ukwenza okusesikweni;
Kuqipûla umbilini kubasebenzi bobutshinga.
16 Umntu ondwendwayo emke endleleni yengqiqo;
Uya kuhlala esikungwini sezitûnzela.
17 Otânda imigcobo uba yindoda eswéleyo;
Otânda i-wayini ne-oli akabi sityebi.
18 Ongendawo lucamagusho ngenxa yelungisa;
Inginingini lisesikûndleni sabatê-tye.
19 Kulungile ukuhlala ezweni eliyintlango,
Kunokuhlala nomfazi onengxabano nengqumbô.
20 Ubuncwane obunqwelekayo ne-oli zisekâya lesilumko;
Ke umntu osinyabi uyaziginya azigqibe.
21 Opûtûma ubulungisa nenceba
Wofumana ubomi nobulungisa nozuko.
22 Isilumko siyaqabela emzini wamagoti;
Siyiwise inqaba ekukôloswe ngayo.
23 Ogcine umlomo wakê nolwimi lwakê
Ugcina umpêfumlo wakê ezingxingongweni.
24 Umkûkûmali oligagadele ngumgxeki igama lakê,
Ngowenza ngokukûkûmala okupûpûmayo.
25 Umnqweno wevila uyalibulala;
Kuba izandla zalo azivumi kusebenza.
26 Imini yonke linqwena linqwenile,
Ke lona ilungisa liyapâ lingavimbi.
27 Umbingelelo wabangendawo lisikizi;
Kobeka pîna-ke bakuwuzisa ngenxa yamanyala!
28 Inqîna elinamanga liyatshabalala;
Ke yona indoda evayo itêtâ kupêle.
29 Indoda engendawo iyingwanyalala ubuso;
Ngotê-tye oyiqondayo indlela yakê.
30 Akukô bulumko, akukô ngqondo,
Akukô cebo malungana no-Yehova.
31 Ihashe lilungiselwa imini yokulwa,
Ke usindiso lona luno-Yehova.

22 Igama *elilungileyo* linokunyulwa ngapêzu kobutyebi obuninzi;
Isimilo esilungileyo silunge ngapêzu kwe-silvere ne-golide.
2 Ziyaqubisana izityebi namahlwempu;
Umenzi wabo bonke ngu-Yehova.
3 Onobuqili ubona into embî, asifihle;
Ke zona iziyatâ ziya kugqitâ kuyo, zihlauliswe.
4 Umvuzo wolulamo kukoyika u-Tîxo,
Butyebi nozuko nobomi.
5 Ngameva, nezibatâ endleleni yojibilizayo;
Ogcine umpêfumlo wakê makadede kuzo.
6 Mfundise umntwana ngendlela efanele umntwana;
Naxa atê wamkûlu, akasokumka kuyo.
7 Isityebi siya kuwalaula amahlwempu;
Nobolekayo ngumkônzi endodeni embolekayo.
8 Ohlwayela ubugqwetâ, wovuna ubutshinga,
Nentonga yokupûpûma kwakê umsindo yopêla.
9 Oliso linobubele nguye osikelelekayo;
Kuba kwisonka sakê upâ isisweli.
10 Gxota umgxeki, ipûme ingxabano,
Kutî-bembê amapîke nokucukuceza.
11 Otânda ukuhlambûluka kwentliziyo,
Omlomo unobabalo, umhlobo wakê ngukumkani.
12 Amehlo ka-Yehova alondoloza ukwazi,
Apênule intetô yenginingini.
13 Ivila litî, Kukô ingonyama pândle,
Ndoncinitwa ezi-trateni.
14 Sihogo esinzulu umlomo wabafazi ábange ngabo.
Obâvunyelwa ngu-Yehova weyela kô-na.

Digitized by Google

15 Ukumatâ kubotshiwe entliziyweni yomntwana;
Intonga yokuqeqesha yokumkisa kuye.
16 Ocudisa isisweli, ukuba andise okwakê,
Onika isityebi, uhlelwa yintswelo kupêla.
17 Tôba indlebe yakô, uve amazwi ezilumko,
Uyibêkise intliziyo yakô ekwazini kwam.
18 Ngokuba kumnandi, xa utê wawagcina embîlinini;
Makeme onke epêlele emlonyeni wakô.
19 Ukuze ukôlose ngo-Yehova,
Ndikwazisile namhla wena lo.
20 Andikubâlelanga-na intetô eziyintloko
Ezinengcebiso nokwazi;
21 Ukuze ndikwazise isilinganiselo samazwi enyaniso,
Ukuze ubuye kwabakutûmileyo, uze namazwi ayinyaniso?
22 Mus'ukusihluta isisweli ngakuba sisisweli,
Ungamtyumzi olusizana esangweni.
23 Kuba u-Yehova eya kubambâna nababambéne nabo,
Awonakalise umpêfumlo wabonakalisa bona.
24 Mus'ukuqêlana nomntu onomsindo,
Ungahambî nendoda enomsindo,
25 Hleze ufunde indlela zayo,
Ufintyelise umpêfumlo wakô.
26 Mus'ukuba pâkatî kwababambâna nomnye ngesandla,
Pâkatî kwabamela into ebolekiweyo.
27 Ukuba utê akwabi nanto yokuhlaula,
Yinina ukuba atâbatê ukûko lwakô pântsi kwakô?
28 Mus'ukuwushenxisa umlima-ndlela wakudala,
Abawenzayo oyihlo.
29 Uyayibona indoda eyinkunqele eshishinini layo, inokuma pâmbî kokumkani;
Ayinakuma pâmbî kwabantu abamnyama.

23 Xa utê wahlala pântsi, ukuba udle nomlauli,
Qonda uqonde lowo upâmbî kwakô,
2 Ubeke isitshetshe emqaleni wakô,
Ukuba ungumntu onombîlini.
3 Mus'ukuzinqwenela izidlo zakê ezinencasa,
Kukudla kwenkohliso.
4 Mus'ukuzidinisa ngokufun' ubutyebi;
Yeka okwakô ukuqonda.
5 Amehlo akô uya kuwasukelisa bonana bungabikô?
Kuba *ubutyebi* buzenzela amapîko,
Bupâpâzela njengokôzi lusinge ezulwini.
6 Mus'ukudla ukudla koliso libi,
Ungazinqweneli izidlo zakê ezinencasa;
7 Kuba njengoko anjalo ocinga yedwa, unjalo yena;
Utî kuwe, Yidla usele;
Ukanti intliziyo yakê ayinawe.
8 Umtâmo wakô owudlileyo uya kuwuhlanza,
Ulahlekwe ngamazwi akô amnandi.
9 Mus'ukutêtâ ezindlebeni zesinyabi;
Ngokuba siya kuyidela ingqiqo yokukûluma kwakô.
10 Mus'ukuwushenxisa umlima-ndlela wakudala;
Ungangeni emasimini enkedama;
11 Kuba umkûluli wazo womelele;
Wobambâna nawe yena ngobambâno lwazo.
12 Yinikele intliziyo yakô eluqeqeshweni,
Nendlebe zakô entetwêni yokwazi.
13 Mus'ukuluyeka uqeqesho emntwaneni;
Ukuba utê wambetâ ngentonga, akayi kufa.
14 Wombetâ ngentonga,
Uhlangule umpêfumlo wakê kwelabafileyo.
15 Nyana wam, ukuba itê yalumka intliziyo yakô
Yovuya intliziyo yam, kwa eyam lo,
16 Zidlamke izintso zam
Ekutêtêni komlomo wakô okutê-tye.
17 Intliziyo yakô mayingabamoneli abo ni;
Ke mayizonde ukoyika u-Yehova imini yonke;
18 Inene, kukô ikamva,
Netêmbâ lakô aliyi kunqunyulwa.
19 Yiva, wena nyana wam, ulumke,
Uyinyatêlise intliziyo yakô itî-gca endleleni.
20 Mus'ukuba pâkatî kwamasela-wayini,

Digitized by Google

Napâkatî kwamadla-kudla;
21 Kuba isela-wayini nedla-kudla liyahlwempuzeka;
Nokozela kwambêsa amajacu.
22 Mpûlapûle uyihlo lowo wakuzalayo,
Ungamdeli unyoko akuba mkûlu.
23 Tênga inyaniso, ungatêngisi ngayo;
Nobulumko noqeqesho nengqondo.
24 Ugcoba kakûlu uyise welungisa;
Ozele isilumko uyavuya ngaso.
25 Makavuye uyihlo nonyoko,
Agcobe umfazi owakuzalayo.
26 Ndinike intliziyo yakô, nyana wam,
Amehlo akô akôliswe zindlela zam.
27 Kuba sisihogo esinzulu ihenyukazi,
Liqula elimxinwa umfazi wolunye uhlanga.
28 Ude alalele njengesihange,
Awandise amanginingini eluntwini.
29 Ungokabanina u-Yeha? ungokabanina u-Yô? zinabanina ingxabano?
Inabanina inkalazo? anabanina amanxeba angenasizatu?
Anabanina amehlo anozizi?
30 Anabo balibala e-wayinini,
Abangena bayiminyele i-wayini epîtikeziweyo.
31 Mus'ukuyikângela i-wayini, xa izenza ingqombêla,
Xa ibengezelayo endebeni,
Xa ihla kamnandi;
32 Ukupêla kwayo iluma njengenyoka,
Ihlaba njengonqinishe.
33 Amehlo akô aya kubona into zasemzini,
Intliziyo yakô itêtê impenduka;
34 Ube njengolele esazulwini solwandle,
Nanjengolele encotsheni ye-masti,
35 *Utî*, Bandibetâ, andeva ntlungu;
Bandintlita, andabi nanto ndiyaziyo;
Ndiya kuvuka ninina? Ndiya kupînda-ke, ndiya kubuya ndiyifune.

24 Mus'ukubamonela abantu abanobubi;
Ungakunqweneli ukuba uhlale nabo.
2 Kuba intliziyo yabo icamanga ukubûqa,
Nomlomo wabo utêtâ ngokwapûla.
3 Indlu yona yakîwa ngobulumko;
Izinziswe ngengqondo;
4 Amaqonga azaliswa
Bubuncwane bonke obunqabileyo nobumnandi ngokwazi.
5 Umfo osilumko unamandla,
Nendoda enokwazi ibonakalisa amandla amakûlu;
6 Ngokuba ukôkelwe bubulumko, woba nako ukuzilwa imfazwe zakô;
Nosindiso lusebuninzini bamapâkatî,
7 Ubulumko bunqabile kwisimatâne;
Asiwuvuli umlomo waso esangweni.
8 Ocinga ngokwenza ububi,
Lowo batî ukumbiza ngumayelenqe.
9 Iyelenqe lesimatâne sisono;
Lisikizi ebantwini umgxeki.
10 Utê wapêlelwa ngemini yembândezelo,
Oba ebandezelwe amandla akô.
11 Hlangula abasiwa ekufeni,
Nabajingxela baye ekubulaweni, kâubanqande.
12 Xa utî, Yabona, besingakwazi oko,
Akumi ngoluhlobo yinina: umlinganiseli wentliziyo akakuqondi-na?
Umgcini wompêfumlo akakwazi-na?
Akakumbuyisela umntu ngokomsebenzi wake yinina?
13 Yidla ubusi, nyana wam, kuba bulungile;
Nencindi imnandi emakûhlangubeni akô.
14 Bazi-ke ubulumko empêfumlweni wakô;
Ukuba utê wabufumana, kobakô ikamva,
Linganqunyulwa itêmbâ lakô.
15 Wena ungendawo, mus'ukulilalela ikâya lelungisa,
Ungasibûqi isikûndla salo;
16 Kuba ilungisa liwa kasixênxe, livuke;
Ke abangendawo bakûbeka pântsi kwenxwâleko.
17 Mus'ukuvuya ekuweni kotshaba lwakô;
Ingagcobi intliziyo yakô ekukûbekeni kwalo,
18 Hleze akubone u-Yehova, kube kubi emehlweni akê,
Awubuyise umsindo wakê kulo.
19 Mus'ukuvutâ ngumsindo ngabenzi bobubi,
Ungabamoneli abangendawo;
20 Kuba umenzi wobubi akayi kuba nakamva;
Isibane sabangendawo siya kucinywa.
21 Nyana wam, moyike u-Yehova nokumkani;

Digitized by Google

Ungazibandakanyi nabanokumbi;
22 Kuba kofika ngesiqupe ukusindeka kwabo,
Ilishwa leminyaka yabo ngubanina olaziyo?

23 Nalamazwi ngawezilumko.
Ukuketa ubuso ekugwebeni akulungile.

24 Oti kongendawo, Ulilungisa wena,
Ziya kumqalekisa izizwe; ziya kumbavumela intlanga.
25 Kuya kuba mnandi kwabamohlwayayo;
Kubo koza intsikelelo enokulungileyo.
26 Wanga imilebe yomlomo
Opendula ngamazwi ate-gca.
27 Lilungise ishishini lako pandle,
Uzisebenzele entsimini yako,
Emveni koko wake indlu yako.
28 Mus'ukuba linqina ngowenu ngapandle kwesizatu;
Ungasuke utomalalise-na nangomlomo wako?
29 Mus'ukuti, Njengoko enze ngako kum, ndiya kwenje njalo nam kuye;
Ndiya kubuyisela indoda ngokomsebenzi wayo.
30 Ndagqita entsimini yendoda elivila,
Nasesi-diliyeni somntu oswele ingqondo,
31 Ndafika, simile imituma sonke sipela;
Ngapezulu senile ngamafau,
Nodonga lwaso lwamatye ludilikile.
32 Ndakangela ndasigqala ngentliziyo,
Ndabona; ndamkela uqeqesho:
33 Iti, Intwana yobutongo, intwana yokozela,
Intwana yokukwabusha izandla ukuba ndilale:
34 Boza njengomhambi ubuhlwempu bako.
Nokuswela kwako njengendoda enengweletshetshe.

25 Nale yimizekeliso ka-Solomon, awayihlanganisayo amadoda ka-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda.

2 Luzuko luka-Tixo ukuyisitelisa into;
Luzuko lokumkani ukuyigocagoca.
3 Izulu ngokupakama, umhlaba ngobunzulu,
Nentliziyo yokumkani asinto inokugocagocwa.
4 Longule igwebu e-silvereni,
Kuvele isitya somnyibilikisi;
5 Shenxisa abangendawo ebusweni bokumkani,
Yozinza i-trone yake ngobulungisa.
6 Mus'ukudokozelisa ilizwi pambi kokumkani,
Ungazimisi endaweni yabakulu.
7 Kuba kulungile ukuba kutiwe kuwe, Nyukela apa,
Kunokuba utotywe pambi kwenene Alibonileyo amehlo ako.
8 Mus'ukupuma unxamile ukuya ekubambaneni nomnye,
Hleze kutiwe, Woti-nina emveni koko,
Xa kaloku akuhlazileyo uwenu.
9 Ubambene nowenu, bambana naye,
Ke ucweyo lomnye mus'ukuluhlaka-za,
10 Hleze akuhlaze oluvayo,
Lungabi sabuya lusuke udaba lwako olubi.
11 Zi-lamun ezi-golide kwizitya ze-silvere ezimakazikazi
Ilizwi elitetwe latyapa.
12 Ulijikazi le-golide nezidanga ze-golide ecikizekileyo,
Umohlwayi olumkileyo ezindlebeni e-zinokuva.
13 Sinjengokupozisa kwekepu ngemini yokuvuna
Isigidimi esinyanisileyo kwabasitumileyo:
Siyawubuyisa umpefumlo wenkosi yaso.
14 Ungamafu anomoya ange namvula
Umntu oqayisa ngesipo esikohlisayo.
15 Umahluli uyafwebesheka ngokuzeka kade umsindo;
Ulwimi olutambileyo lwapula itambo.
16 Ufumene ubusi, yidla obukulingeneyo,
Hleze udikwe, ubuhlanze.
17 Malungayi futi unyawo lwako endlwini yowenu,
Hleze adikwe nguwe, akutiye.
18 Sisando, lifele, lulolo olutsolileyo
Indoda enqina ubunqina obubuxoki ngowayo.

Digitized by Google

19 Lizinyo eliqûzukileyo, lunyawo olufunekileyo
Ukukôlosa ngengiiingini ngemihi yembândezelo.
20 Olahla ingubo yokwaleka ngemini yengqele, nqwa kwane-asin egalelwe kwi-soda,
Kwa novutna ingoma kohtliziyo imbi.
21 Ukuba okutiyileyo utê walambâ, mpê isonka adle;
Ukuba utê wanxanwa, mseze amanzi;
22 Kuba ufumbâ wena amalahle avutâyo entloko yakê,
U-Yehova wokuvuza.
23 Umoya ovela ngase-Ntla uvelisa isipângo;
Ulwimi oluhlêbayo luvelisa ubuso obujalileyo.
24 Kulungile ukuhlala elunqâmekweni olupêzu kwendlu
Kunokuhlala ndlwini-nye nomfazi onengxabano.
25 Ngamanzi abandayo empêfumlweni otyafileyo
Indaba ezilungileyo ezivela ezweni elikude.
26 Liqula eligxojiweyo, ngumtômbô owonakeleyo
Ilungisa elikwêlelayo pâmbi kongendawo.
27 Ukudla ubusi obuninzi akuluhgile;
Ke ukugocagocá izinto ezinzima luzuko.
28 Ngumzi otyobozíweyo onge naludonga
Indoda enge nakuzibâmbâ umoya wayo.

26 Njengekêpô ehlotyeni, njengemvula ngexa lokuvuna
Lunjalo ukungasifaneli isinyabi uzuko.
2 Njengentaka ekupâpâpâpazeleni kwayo, njengenkonjane ekubalekeni kwayo,
Kunjalo ukutshabisa ngapândle kwesizatu; akuyi kupûmelela ntweni.
3 Izwiniya yeyehashe, umkâlâ ngoweesilê,
Intonga yeyomhlana wesinyabi.
4 Mus'ukusipêndula isinyabi ngokokumatâ kwaso,
Hlëze usifuze.
5 Sipêndule isinyabi ngokokumatâ kwaso,
Hleze sibe silumko kwawaso amehlo.
6 Unqumla inyawo, usela ugonyamelo
Ositûma imicimbi yakê isinyabi.
7 Nqwa nokulengalenga kwemilenze yesiqwala
Umzekeliso emlonyeni wesinyabi.
8 Njengokubopâ ilitye esisaulweni,
Unjalo osinika uzuko isinyabi.
9 Ngameva angene esandleni senxila
Umzekeliso ongene emlonyeni wesinyabi.
10 Okuninzi kuzalâ into yonke;
Ke wona umvuzo wesinyabi kwa nomvuzi waso bayadlula.
11 Njengenja ibuyela emhlanzweni wayo;
Sinjalo isinyabi ukupinda ukumatâ kwaso.
12 Uyayibona indoda ilumkile kwawayo amehlo:
Kukô itêmbâ ngesinyabi kunayo.
13 Ivila litî, Kukô ingonyama endleleni,
Kukô ingonyama ezi-trateni.
14 Ucango lujinga ezi-hinjini zalo,
Linjalo ivila elukûkweni lwalo.
15 Ivila lifaka isandla salo esityeni,
Yindiniso ukusibuyisela kwasemlonyeni walo.
16 Ivila lilumkile kwawalo amehlo
Kunabasixênxe abapêndula ngemvo.
17 Ubambâ ngendlebe inja igqitâ
Opûpûma umsindo ngembambâno angepâmbi kwayo.
18 Njengedwadwasi elijula izikûni
Nentolo nokufa,
19 Injalo indoda ekôhlisa uwayo,
Ibe isiti, Andidlali-na?
20 Zakupêla inkuni, uyacima umlilo;
Kwakuba kungekô ntlebi, iyadambâ ingxabano.
21 Nqwa namalahle amnyama kumalahle avutâyo;
Nqwa nenkuni kumlilo indoda enengxabano ukupêmbâ imbambâno.
22 Amazwi entlebi anjengemitâmo emnandi;
Yona ihla iye ezingontsini zombilini.
23 Ligwebu le-silvere lalekwe empahleni yodongwe
Umlomo ovutâyo nentliziyo enobubi.
24 Ngemilebe yomlomo wakê uyanyvalaza umtiyi;
Embilinini yakê umisa inkohliso.

Digitized by Google

25 Xa atê walimnandisa izwi lakê, mus' ukukôlwa nguye;
Kuba ngamasikizi asixênxe entliziyweni yakê.
26 Intiyo izifihla ngenkohliso;
Ububi bayo bozityila esikûngwini.
27 Ombâ isihogo weyela kuso;
Oqengqa ilitye, libuyela kuye.
28 Ulwimi oluxokayo luyabatîya abatyunyuzwa lulo;
Nomlomo ocengacengayo usebenza ububi.

27 Mus'ukuqâyisa ngemini yangomso;
Kuba akukwazi okuya kuzalwa yimini.
2 Maudunyiswe ngomnye, ingabi ngowakô umlomo;
Mayibe nguwumbî, ingabi yeyakô imilebe yomlomo.
3 Linzima ilitye, ingumtwalo intlabati;
Ke yona ingqumbô yesimatâne inzima kunezonto zombîni.
4 Ubujofa bunobushushu, umsindo sisipângo,
Nekwele ngubanina onokuma pâmbî kwalo.
5 Kulungile ukohlwaywa ekuhleni
Ngapêzu kotândo olusitêleyo.
6 Akôlekile amanxeba omhlobo;
Kodwa yingxungxu ukwanga kotshaba.
7 Umpêfumlo ohlutiyo ugqusha incindi yobusi;
Umpêfumlo olambîleyo yonke into eřaŕa imnandi kuwo.
8 Njengentaka epêkuziweyo endlwini yayo,
Injalo indoda epêkuziweyo ekâya layo.
9 I-oli nesiqûmiso sivuyisa intliziyo;
Nobumnandi bomhlobo obupûma ekucebiseni kompêfumlo.
10 Mus'ukumlahla umhlobo wakô nomhlobo kayihlo;
Ungangeni endlwini yomzalwana wakô ngemini yokusindeka kwakô;
Ulungile ummelwane okufupî kunomzalwana okude.
11 Yiba nobulumko, nyana wam, uyivuyise intliziyo yam;
Ukuze ndimpêndule ngezwi ondingcikivayo.
12 Onobuqili uyabubona ububi, azimele;
Ke zona iziyatâ zigqitâ kubo, zohlwaywe.
13 Tâbatâ ingubo yakê, kuba emele omnye;
Menze isibambîso ngenxa yezinto yasemzini.
14 Osikelela uwabo ngezwi elikûlu, evuka kwakusasa;
Kubalelwa ekutîni uyamtshabisa.
15 Uqôqôzo oluxikileyo mini ngemvula
Nomfazi onengxabano kuyafana.
16 Omnqandayo unqanda umoya;
Isandla sakê sokunene sihlangabezene ne-oli.
17 Isinyitî silola isinyitî,
Indoda ilola ubuso bowayo.
18 Olondoloza umkîwane wodla isiqâmo sawo;
Ogcine inkosi yakê wozukiswa.
19 Emanzini ubuso buyelelene nobuso;
Injalo intliziyo yomntu kumntu.
20 Elabafileyo nenzonzobila azinakuhluta,
Namehlo omntu akanakuhluta.
21 Ukâmbâ lolokunyibilikisa i-silvere, iziko lelokunyibilikisa i-golide,
Nendoda iya ngokokudunyiswa kwayo.
22 Nokuba utê wasinqûsha isimatâne esinqûshweni pâkatî komnqûsho ngesintilo,
Akuyi kusuka kuso ukumatâ kwaso.
23 Kûtâlela ukubazi ubume bempahla yakô emfûtshane,
Yibêkise intliziyo yakô emihlambîni yakô.
24 Ngokuba ayingonapâkade ingqwebo;
Nesitsaba sesezizukulwana ngezizukulwana yinina?
25 Sitê-tshabalala-nje isikôta, kuvela uhlaza,
Ihlanganisiwe imifuno yentaba:
26 Amatâkane ngawokukwambêsa,
Ixabiso lentsimi zinkunzi ze-bôkwe;
27 Amasi e-bôkwe alingene ukudla kwakô, nokudla kwendlu yakô,
Nokupîla komtînjana wakô.

28 Basaba bengasukelwa nto abangendawo;
Ke wona amalungisa akôlosa njengengonyama.
2 Ngoŕeqo lwelizwe baba baninzi abatêtêli balo;
Ngomntu onengqondo onokwazi, ukuzinza kwalo kuyoluka.
3 Umfo oyintloko ekucudiseni izisweli

Digitized by Google

Yimvula etshayelayo, ingasalisi kudla.
4 Abashiya umyalelo badumisa abangendawo;
Ke abawugcinayo umyalelo bayazixôkonxa ngabo.
5 Abantu abanobubi abakuqondi okusesikweni;
Ke bona abamfunayo u-Yehova baqonda into zonke.
6 Lilungile ihlwempu elihambâ ngengqibelelo yalo,
Ngapêzu komjibilizi ondlela mbîni, nakuba esityebi.
7 Obambâ umyalelo ngunyana onengqondo;
Ke olikôlwane labacîti uhlaza uyise.
8 Owongeza ubuncwane bakê ngokudl' abanye nangolwandiso,
Ubutêla obabala izisweli.
9 Osusa indlebe yakê ekusipûlapûleni isiyalo,
Kwa nomtândazo wakê ulisikizi.
10 Obalahlekisayo abatê-tye ngendlela enobubi,
Kuya kweyela yena esihogweni sakê;
Bona abagqibeleleyo bakudle ilifa okulungileyo.
11 Ilumkile indoda esityebi kwawayo amehlo;
Ke isisweli esinengqondo siyayigocagoca.
12 Ekudlamkeni kwamalungisa lwanda uzuko;
Ekupâkameni kwabangendawo abaveli nokuvela abantu.
13 Osigubungelayo isono sakê akayi kuba nampumelelo;
Ke yena osivumayo asishiye, uyakufumana inceba.
14 Hayi uyolo lomntu ohlala enkwantya;
Ke yena ontliziyo ilukûni uya kweyela ebubini.
15 Yingonyama egqumayo, yi-bere ebâduliswa kulambâ
Umlauli ongendawo kubantu abazisweli.
16 Hayi ingănga iswel' ukuqonda enokucudisa okuninzi!
Otîye inzuzo embî wolula imihla yakê.
17 Umntu onovalo ngegazi lompêfumlo
Usabela nasemhadini; makangabanjezelwa.
18 Ohambâ ngengqibelelo uya kusindiswa,
Ke umjibilizi ondlela mbîni weyela kwenye yazo.
19 Owusebenzayo umhlaba wakê uya kuhluta sisonka;
Osukela izinto ezingento uya kuhluta buhlwempu.
20 Indoda enyanisekileyo inentsikelelo ezininzi;
Ke yena onxâmayo ukuba sityebi, akabi msulwa.
21 Ukukêtâ ubuso akulungile;
Ngenxa yeqêkeza lesonka umntu angade apôsise.
22 Indoda eliso libi ikâulezela ukutyeba;
Ayazi ukuba ukuswela kuya kuyifikela.
23 Omohlwayayo umntu wotî kamva afumane ubabalo
Ngapêzu kocengacengayo ngolwimi.
24 Opânga uyise nonina, ati, Asingumpôsiso,
Ulidlelane lendoda engumonakalisi.
25 Ompêfumlo ubawayo uxâya ingxabano;
Ke yena okôlose ngo-Yehova uyatyebiswa.
26 Okôlosa ngeyakê intliziyo usidenge;
Ke yena ohambâ ngobulumko uya kusinda.
27 Opâ ihlwempu akasweli;
Ke yena ofihla amehlo akê unengqalekiso ezininzi.
28 Ekupâkameni kwabangendawo bayasitêla abantu;
Ekutshabalaleni kwabo ayanda amalungisa.

29 Indoda eyohlwaywa futi, iyenze lukûni intamo yayo,
Iya kucîtâkala ngepânyazo, kungabikô kuncedwa.
2 Ekwandeni kwamalungisa bayavuya abantu;
Ekulauleni kongendawo bayagcuma abantu.
3 Indoda etânda ubulumko ivuyisa uyise;
Olikôlwane lamahenyukazi ucîtâ impahla yakê.
4 Ukumkani ulimisa ilizwe ngesiko;
Ke yona indoda efunywayo iyalibûkuqa.
5 Umfo ocengacenga uwabo

Digitized by Google

Utîyela inyawo zakê ngomnatâ.
6 Elurêqweni lwendoda enobubi kubaḳô isifintyelo;
Ke lona ilungisa limemelela livuye.
7 Ilungisa liyalazi ibango lesisweli;
Ke yena ongendawo akanangqondo yakulazi.
8 Amadoda agxekayo apêmbêlela isikinindi;
Ke zona izilumko ziyawudambîsa umsindo.
9 Yakumangalelana indoda elumkileyo nesimatâne,
Soguguma sihleke, kungabikô kutôzama.
10 Amadoda amagazi ayabatîya abagqibeleleyo;
Nabatê-tye, afuna umpêfumlo wabo.
11 Isinyabi siyakukûpâ konke ukufutâ kwaso,
Ke sona isilumko sikudambîsela embîlinini waso.
12 Umlauli olibazela indlebe ilizwi lobuxoki,
Bonke abalungiseleli bakê bangabangendawo.
13 Ihlwempu liyaqubisana nendoda engumxinezeli;
Umkânyiseli wamehlo abo bobabini ngu-Yehova.
14 Ukumkani ogweba ityala leziswelì ngenyaniso,
I-trone yakê iya kuzinza ngonapâkade.
15 Intonga nesohlwayo sinika ubulumko;
Ke yena umntwana oyekelelweyo udanisa unina.
16 Ekwandeni kwabangendawo luyanda ureqo;
Ke wona amalungisa aya kukubona ukuwa kwabo.
17 Mqeqeshe unyana wako, wokupêfumlisa;
Awuyolise umpêfumlo wakô.
18 Apô kungekô mbono baba yimiqatû abantu;
Bakuwugcina umyalelo, hayi uyolo lwabo!
19 Umkônzi akaqeqeshwa ngamazwi;
Kuba uyaqonda, angakâtâli.
20 Uyayibona indoda enxâmileyo ngamazwi ayo,
Kuko itêmbâ ngesinyabi kunayo.
21 Omfeketîsayo kwasebuncinaneni umkônzi wakê
Uya kwenelwa lukûla ekupêleni.
22 Indoda enomsindo ixâya ingxabano;
Umntu onobushushu uzele lureqo.
23 Iratshi lomntu liya kumtôba;
Ke yena omoya utôbekileyo ufumana uzuko.
24 Owahlulelana nesela utîya umpêfumlo wakê,
Uyasiva isishwabulo, angaxeli.
25 Ukugubâ ngumntu kunesifintyelo;
Ke yena okolôsa ngo-Yehova uyakupâkanyiselwa pêzulu.
26 Baninzi abafuna ubuso bomlauli;
Ke lona ibango lendoda livela ku-Yehova.
27 Indoda inobugqwetâ lisikizi kumalungisa;
Ondlela itê-tye lisikizi kongendawo.

30

Amazwi ka-Agure unyana ka-Yakê, wase-Masa.

Itsho indoda leyo, itî, Ndizidinisile, ndizidinisile ndapêla;
2 Kuba ndisityakala, andimntu,
Ingqondo yomntu ayikô kum.
3 Andifundanga bulumko,
Ukuba ndazi ukwaziwa k-Oyingewele.
4 Ngubanina owenyuka waya ezulwini, waza wehla?
Ngubanina ofumbêtê umoya ngezandla zakê?
Ngubanina obopê amanzi engutyeni?
Ngubanina omise zonke izipêlo zomhlaba?
Lingubanina igama lakê, lingubanina igama lonyana wakê, ukuba uyalazi?

5 Yonke intetô ka-Tîxo inyibilikisiwe,
Uyingweletshetshe kwabazimela ngaye.
6 Mus'ukongeza emazwini akê,
Hleze akohlwaye, ube ngotêtâ amanga.

7 Ndicele kuwe izinto ezimbîni;
Mus'ukundivimbâ zona, ndingekafi.
8 Kwelelisa kum inkohlakalo nelizwi lamanga.
Mus'ukundinika ubuhlwempu nobutyebi,
Ndihlafunise isonka endisimiselweyo.

Digitized by Google

9 Hleze ndihlute ndikânyele, ndití,
Ngubanina u-Yehova?
Hleze ndihlwempuzeke, ndibē,
Ndilicukuceze igama lika-Tixo wam.

10 Mus'ukumhleba umkôzi enkosini yakē,
Hleze akutshabise, utwale ityala.

11 Kukô isizukulwana esitshabisa uyise,
Singamsikeleli unina;
12 Kukô isizukulwana esihlambûlukileyo kwawaso amehlo,
Esingahlanjwanga ekuncôleni kwaso;
13 Kukô isizukulwana, hayi ukuqwayinga kwamehlo aso,
Ukuzipâkamisa kwenkope zaso!
14 Kukô isizukulwana esimazinyo angamafele, simabambâ azizitshetshe,
Sokudla intsizana emhlabeni namahlwempu pâkatí kwesintù.

15 Isimungunyi-gazi sinentombí ezimbíni, ezití: Etê, etê!
Zintatû izinto ezinge nakuhluta;
Zine ezingatshoyo ukutí, Kwanele.
16 Lelabafileyo kokungazali;
Ngumhlaba ongahlutiyo ngamanzi;
Ngumlilo ongatshoyo ukutí, Kwanele.

17 Iliso eligculela uyise,
Lidele ukumlulamela unina,
Aya kulifuta amahlungulu asemlanjeni,
Alidle amatôle okôzi.

18 Into zintatû ezibalulekileyo kum;
Hayi zine endinge nakuzazi:
19 Yindlela yokôzi esibâkabâkeni,
Yindlela yenyoka etyeni,
Yindlela yenqanawa esazulwini solwandle,
Yindlela yomfo nentombí.
20 Injalo indlela yomfazi oexezayo:
Uyadla asule umlomo,
Até, Andenzanga bubi.

21 Ngapântsi kwento ezintatû umhlaba uyanyikima,
Ngapântsi kwezine ukôhliwe kukutwala:
22 Ngapântsi komkôzi, xa até wangukumkani;
Nesidenge, xa sitê sahluta sisonka;
23 Ngapântsi kwesigele sentombí, xa itê yenda;
Nekôbokazana, xa litê ladla ilifa lenkosikazi yalo.

24 Into zine ezincinane emhlabeni,
Kanti zilumke kakûlu.
25 Imbôvane ngabantu abange namandla,
Kanti zilungisa ukudla kwazo ehlotyeni.
26 Imbíla ngabantu abangomeleleyo,
Kanti zimisa indlu zazo emaweni.
27 Inkumbí azinakumkani,
Kanti zipûma zingamaqela ngamaqela zonke.
28 Icilitsho unakô ukulibambâ ngezanda,
Kanti lisemabôtweni okumkani.

29 Into zintatû ezihambâ ngokunyalasa,
Hayi zine ezilungisayo ukuhambâ:
30 Yingonyama, igofa pâkatí kwento ezizitô zine,
Elingabuyi umva pâmbí kwento zonke;
31 Yinja elingesi; nokuba yinkunzi yebôkwe;
Ngukumkani enomkôsi wakê.

32 Ukuba utê wenza ngobudenge ngokuzipâkamisa,
Nokuba utê wanqangiyela,
Beka isandla emlonyeni.
33 Kuba ukucofa ubisi kuvelisa amasi,
Ukucofa impumlo kuvelisa igazi,
Ukucofa umsindo kuvelisa imbâmbâno.

31 Amazwi ka-Lemuweli, ukumkani wase-Masa awamqeqesha ngawo unina.
2 Yini, nyana wam; yini, nyana wesizalo sam;
Yini, nyana wezibâmbâtiso zam?
3 Amandla akô mus'ukuwanika amankazana,
Nendlela zakô abo batshabalalisa okumkani.
4 Asiyindawo yokumkani, Lemuweli, asiyindawo yokumkani, ukusela iwayini;
Asiyindawo yezidwangube, ukutí, Sipina isiselo esinxilisayo?

Digitized by Google

5 Hleze basele bakulibale okumiselweyo,
Balijike ityala lonyana bonke bentsizi.
6 Isiselo esixilisayo sinikeni abatshabalalayo,
Ne-wayini yinikeni abampêfumlo uřařa.
7 Mabasele abo, babulibale ubuhlwempu babo,
Bangabi sabukûmbûla ububi babo.
8 Wuvule umlomo wakô ngenxa yosidenge,
Ngenxa yetyala labo bonke abadlulayo.
9 Vula umlomo wakô, gweba ngobulungisa,
Ugwebe ityala lolusizana nolihlwempu.

10 Umfazi onesidima ngubanina ongamfumanayo?
Lingapêzulu nakwi-korale ixabiso lakê.
11 Ikôlose ngaye intliziyo yendoda yakê,
Ayi kuswela nto.
12 Uyipâtâ kakuhle,
Kungabi kakubi yonke imihla yobomi bakê.
13 Ufuna uboya begusha ne-fulakisi.
Asebenze etûmekelela ngezandla zakê.
14 Unjengenqanawa zabařwebi
Ukuyakutâbatâ kude ukudla kwakê.
15 Uvuka kwasebusuku,
Ayinike into edliwayo indlu yakê,
Awunike umsebenzi wawo umtînjana wakê.
16 Unqangiyela intsimi ayizuze;
Ngeziqâmo zezandla zakê utyala isidiliya.
17 Ubînqa amandla emanqeni akê,
Ayomeleze imikôno yakê.
18 Uyakuva ukuba kulungile ukuřweba kwakê;
Isibane sakê asicimi ebusuku.
19 Uzibeka izandla zakê entongeni yokuluka,
Neminwe yakê ibambâ isikânda sento yokuluka.
20 Isandla sakê utwabululela olusizana,
Azolulele izandla zakê kumahlwempu.
21 Indlu yakê akayoyikeli mhlana ngekêpû,
Kuba yonke indlu yake yambâtâ ezisitêleyo.
22 Uzenzela imiqamelo;
Yi-linen ecikizekileyo kwanemfusa isambâtô sakê.
23 Iyaziwa indoda yakê emasangweni,
Ekubutêni kwayo namadoda amakûlu elizwe.
24 Wenza ingubo ze-linen entle,
Atêngise ngazo, atêngise ngemibînqo kuma-Kanan.
25 Ngamandla nobungangamela isambâtô sakê;
Usuk'ahleke ngemini ezayo.
26 Umlomo wakê uwuvula ngobulumko;
Umyalelo onenceba uselulwimini lwakê.
27 Uyayondela ihambô yendlu yakê,
Angasidli isonka sobuvila.
28 Bayesuka onyana bakê, batî unoyolo;
Iyesuka indoda yakê imdumise;
29 Itî, Zininzi intombî ezenza ngokunesidima;
Ke wena uzidlula zonke zipêla.
30 Buxoki ubuhle, ngamampunge ubunzwakazi;
Ngumfazi owoyika u-Yehova yedwa oyakudunyiswa.
31 Mnikeni kwiziqâmo zezandla zakê;
Zimdumise emasangweni izenzo zakê.

EYENTSHUMAYELI.

ISIQENDU I.

AMAZWI entshumayeli, unyana kaDavide, ukumkani wase-Yerusalem.

2 Amampunge awo amampunge, itsho intshumayeli; amampunge awo amampunge, yonke into ingamampunge.
3 Unalungelo-nina umntu emigudwini yakê yonke, ayenzayo pântsi kwelanga?

Digitized by Google

4 Kumka esinye isizukulwana, kulandele esinye isizukulwana; ke wona umhlaba umi ngonapakade.

5 Ilanga liyapuma, ilanga libuya litshone, lipíkele endaweni yalo apô lipûma kôna.

6 Umoya uya e-Zantsi, ujikeleze usinge e-Ntla, uhambâ ujikajikeleza, ubuye ubuya umoya ekujikelezeni kwawo.

7 Yonke imilambô iya elwandle, ukanti ulwandle aluzali; endaweni eya kuyo imilambô, ibuya iye kwakôna.

8 Zonke izinto ziyazixâmleza; umntu akanakô ukuzitêtâ; alihluti iliso kukubona, ayizali indlebe kukuva.

9 Into eyayikô yeya kubuya ibekô; into eyenzekayo yeya kubuye yenzeka yona. Akukô nto intsha pântsi kwelanga.

10 Ukuba kukô into ekutîwa, Yabona le intsha! ibiselikô kade, emapâkadeni abekô ngapâmbî kwetû.

11 Akukô kukûmbûla abokuqala; nabasemva abaya kubakô, abayi kukûnjulwa ngabaya kuza emva kwabo.

12 Mna ntshumayeli, bendingukumkani kwa-Sirayeli e-Yerusalem.

13 Intliziyo yam ndayinikela ukuba inxôke isingasinge ngobulumko yonke into eyenzekayo pântsi kwezulu; ngumzamo ombî u-Tixo awunike onyana baka-Adam, ukuba bawuzame.

14 Ndazikângela zonke izenzo ezenzekayo pântsi kwelanga; yabona, zonke zingamampunge nokusukelana nomoya.

15 Into egoso ayinakolulwa; into engekôyo ayinakubalwa.

16 Ndatêtâ mna nentliziyo yam, ndisitî, Yabona, mna ndikûlisê ndandisa ubulumkô ngapêzu kwabo bonke, ababepêtê i-Yerusalem pâmbî kwam, nentliziyo yam ibone kakûlu ubulumko nokwazi.

17 Intliziyo yam ndayinikela ekwazini ubulumko nasekwazini ubugeza nobuyatâ; kwa nalonto ndayiqonda, ukuba kukusukelana nomoya.

18 Ngokuba ebuninzini bobulumko kukô uhlelwa siyengelezane esininzi; owongeza ukwazi wongeza umvandedwa.

2 **Ndatî mna entliziyweni yam, Kâuze kêndikulinge ngovuyo; ubone okulungileyo. Yabona, kwa nalonto ingamampunge.**

2 Ndatî kohlekayo, Uyageza, nakovuyayo, Wenza nto-nina lo?

3 Ndasingasinga entliziyweni yam, ukuba nditsale inyama yam nge-wayini, ekubeni intliziyo yam iziqûba ngobulumko, ukuba ndazane nobuyatâ, ndide ndibone ukuba yiyipîna into ebalungeleyo onyana baka-Adam, ukuze bayenze pântsi kwezulu imihla embalwa yobomi babo.

4 Ndazenzela imisebenzi emikûlu, ndazakêla izindlu, ndazityalela izi-diliya,

5 Ndazenzela amasimi nemiyezo, ndatyala kuyo imitî eneziqâmo zonke;

6 Ndazenzela amacîbi amanzi okunyela ihlatî elihluma imitî;

7 Ndatênga amakôboka namakôbokazana, ndanawo nazalelwe endlwini yam; kananjalo imfuyo yenkomo neyempahla emfutshane yaba ninzi kum, ngapêzu kwabo bonke ababe ngapâmbîli kwam e-Yerusalem;

8 Ndaziqwebela ne-silvere, ne-golide, nezinto ezizinqobo zokumkani ngokumkani, nezamazwe ngamazwe; ndazenzela imvumi nemvumikazi, neziyolo zonyana baka-Adam, inkosikazi namakôsikazi.

9 Ndaba mkûlu, ndanda ngapêzu kwabo bonke ababese-Yerusalem ngapâmbî kwam; batî nobulumko bam bandinceda.

10 Andiwabandezanga into yonke ayibizayo amehlo am; andiyivimbânga intliziyo yam namnye umvuyo; ngokuba intliziyo yam yayivuya emigudwini yam yonke, saba sesi-ke isabelo sam emigudwini yam yonke.

11 Ndabêka mna ezenzweni zam zonke, ezazenzayo izandla zam, nasemigudwini yam endapûka yiyo ukuyenza; ndayibona ukuba yonke lonto ingamampunge nokusukelana nomoya; akukô lungelo pântsi kwelanga.

12 Ndazijika mna, ndikângela ubulumko, nobugeza nobuyatâ; ngokuba ngumntu oyinina lowo uya kuza emva kokumkani-lo ube selenziwe kade?

13 Ndabona ukuba ubulumko buyabugqita ubuyatâ, njengokuba ukukânya kubugqita ubumnyama.

14 Isilumko, amehlo aso asentloko yaso; ke sona isinyabi sihambâ emnyameni. Ndaqonda-ke mna ukuba bonke bepêla bahlelwa sisihlo sinye.

15 **Ndatî mna entliziyweni yam, Njengoko sihlelwa kuko isinyabi, ndiya kuhlelwa kuko nam lo; ibi yinina-ke ukuba ndisidlule mna ngokulumka? Ndatî entli-**

Digitized by Google

ziyweni yam, Kwa nalonto ingamampunge.

16 Ngokuba isilumko kunye nesinyabi asinakukûnjulwa kungunapâkade; ekubeni kusiza imini ezoba sezilityelwe zonke ezonto. Kutê-nina, ukuba zife izilumko kunye nezinyabi!

17 Ndabutĺya-ke ubomi; ngokuba mibi kum imisebenzi eyenzeka pântsi kwelanga; ngokuba yonke lonto ingamampunge nokusukelana nomoya.

18 Ndayitĺya yonke imigudu yam, endapûka yiyo pântsi kwelanga, ekubeni ndiya kuyishiya nomntu oya kubakô emva kwam.

19 Waziwa ngubanina, ukuba woba silumko, nokuba woba siyatâ kusinina? ukanti uya kugunyazela emigudwini yam yonke endapûka yiyo, endalumkayo kuyo pântsi kwelanga; kwa nalonto ingamampunge.

20 Ndajika-ke mna, ndayincamisisa intliziyo yam ngemigudu yonke endapûka yiyo pântsi kwelanga.

21 Ngokuba kubakô umntu omigudu yakê inobulumko, inokwazi, inempumelelo; ukanti uya kuyinika umntu ongenzanga migudu, ibe sisabelo sakê; kwa nalonto ingamampunge nobubi obukûlu.

22 Ngokuba umntu uba nanto-nina ngemigudu yakê yonke, nangenzondelelo yentliziyo yakê apûka yiyo yena pântsi kwelanga?

23 Ngokuba imihla yakê yonke inomvandedwa, nasekuzameni kwakê ukâtâzekile, nasebusuku ayipûmli intliziyo yakê; kwa nalonto ingamampunge.

24 Akukô nto ilungileyo ebantwini kunokuba badle, basele, bawubonise umpêfumlo wabo okulungileyo emigudwini yabo. Kwa nalonto ndiyibonile, ukuba ivela esandleni sika-Tixo.

25 Ngokuba ngubanina ongadlayo, ngubanina ongavayo ubumnandi, enge naye?

26 Ngokuba umntu, olungileyo pâmbi kwakê, umnika ubulumko nokwazi novuyo; ke yena umoni umnika umzamo wokuhlanganisa nokuqweba, ukuze anike olungileyo pâmbi ko-Tixo. Kwa nalonto ingamampunge nokusukelana nomoya.

3 Into yonke inexesha elimisiweyo, nomcimbi wonke unexesha *lawo* pântsi kwezulu:

2 Ukuzala kunexesha lakô, ukufa kunexesha lakô; ukutyala kunexesha lakô, ukunyotûla *okutyelweyo* kunexesha lakô;

3 Ukubulala kunexesha lakô, ukupilisa kunexesha lakô; ukucîtâ kunexesha lakô, ukwakâ kunexesha lakô;

4 Ukulila kunexesha lakô, ukuhleka kunexesha lakô; kuko ixesha lokulil'umbâmbâzela, kukô nexesha lokudloba;

5 Kukô ixesha lokucîtâcîtâ amatye, kukô nexesha lokufumbâ amatye; ukuwola kunexesha lakô, ukuyeka ukuwola kunexesha lakô;

6 Ukufuna kunexesha lakô, ukulahlekelwa kunexesha lakô; ukugcina kunexesha lakô, ukulahla kunexesha lakô;

7 Ukurazula kunexesha lakô, ukutûnga kunexesha lakô; ukutĺ-cwaka kunexesha lakô, ukutêtâ kunexesha lakô;

8 Ukutânda kunexesha lakô, ukutĺya kunexesha lakô; kukô ixesha lemfazwe, kukô nexesha loxolo.

9 Unalungelo-linina lowo usebenzayo kulonto, ayenzela imigudu?

10 Ndiwubonile umzamo, awunike onyana baka-Adam u-Tixo, ukuba bawuzanie.

11 Zonke izinto uzenze zantle ngexesha lazo; kwa nepâkade ulinikele ezintliziyweni zabo ngohlobo lokuba umntu angasifumani isenzo asenzayo u-Tixo, atâbatêle ekuqaleni, ade ase ekupêleni.

12 Ndiyazi-ke ukuba akukô nto ilungileyo pâkatĺ kwabo, inge kukuvuya nokuzizuzela okulungileyo ebomini babo.

13 Kwa nokuba wonke umntu adle, asele, abone okulungileyo emigudwini yakê yonke; sisipô sika-Tixo eso.

14 Ndiyazi-ke ukuba yonke into aya kuyenza u-Tixo, yiyo eya kuba ngonapâkade; kungongezwa nto kuyo, kungacatshulwa nto kuyo; u-Tixo ukwenzela ukuba koyikwe ebusweni bakê.

15 Lento ikôyo ibi selikô kade; nento eya kubakô ibi selikô kade. U-Tixo-ke ubuy'ayifune into egxotĺweyo.

16 Ndabuya ndabona pântsi kwelanga indawo yokugweba, ukuba okungendawo kukôna; nendawo yobulungisa, ukuba okungendawo kukôna.

17 Ndatĺ mna entliziyweni yam, Ndilungisa nongendawo u-Tixo uya kulinda

Digitized by Google

ityala labo; ngokuba umise ixesha layo yonke imicimbi, nazo zonke izenzo.

18 Ndati mna entliziyweni yam, Kungenxa yonyana baka-Adam, ukuze u-Tixo abahlele, nokuze bazibone benjenkomo bona ngokwabo.

19 Ngokuba bayehliwa onyana baka-Adam, ziyehliwa nenkomo, sinye isihlo kubo nakuzo; njengoko kunjalo ukufa kwabo, kunjalo ukufa kwazo; mnye umoya kubo bonke nakuzo zonke; akukô kuyigqita komntu inkomo; ngokuba zonke ezonto zingamampunge.

20 Zonke ezonto ziya ndaweni-nye; zonke ezonto zavela elutûlini, zonke ezonto zibuyela elutûlini.

21 Ngubanina owaziyo umoya wonyana baka-Adam, ukuba uyenyuka-na uya pêzulu, nomoya wenkomo, ukuba uyehlana uya pântsi emhlabeni?

22 Ndaqonda-ke ukuba akukô nto ilunge ngapêzu kokuba umntu avuye ezenzweni zakê; ngokuba kusisabelo sakê oko; ngokuba uya kungeniswa ngubanina, ukuba akubone okuya kubakô emveni kwakê.

4 Ndabuya-ke mna, ndakubona konke ukucudisa okwenziwayo pântsi kwelanga: ndazibona inyembêzi zabacudisiweyo, benge namtûtûzeli; esandleni sabacudisi babo kupûma ububovubovu, benge namtûtûzeli bona.

2 Ndabancoma-ke mna abafileyo abasebefe kade kunabahleliyo abasahleliyo ngoku.

3 Ke ulungile kunabo bobabini lowo ungekabikô, ungakubonanga ukwenza okubi okwenziwa pântsi kwelanga.

4 Kananjalo ndayiqonda-ke mna yonke imigudu, nayo yonke impumelelo yomsebenzi, ukuba ingumona wokwanyelana. Kwa nalonto ingamampunge nokusukelana nomoya.

5 Isinyabi sikwabusha izandla, sidle kwa eyaso inyama.

6 Kulungile ukuzalisa sandla sinye ngokupûmla, kunokuzalisa zozibini izandla ngemigudu nokusukelana nomoya.

7 Ndabuya mna, ndabona amampunge pantsi kwelanga.

8 Kukô oba yedwa, onge naye owesibini, onge naye unyana nomzalwana, enge nasipêlo imigudu yakê yonke, angahlutiyo noko butyebi amehlo ake. Akatsho ukuti, Ndapûkela banina, ndiwuhluta-nje umpêfumlo wam okulungileyo? Kwa nalonto ingamampunge, ingumzamo ombi yona.

9 Kulungile ukuba babe ngababini kunokuba abe mnye, kuba banomvuzo olungileyo ngemigudu yabo.

10 Ngokuba xa batê bawa, omnye unokumpâkamisa uwabo; yeha-ke yena oyedwa, otê wawa, kuba akukô wesibini wokumpâkamisa!

11 Kananjalo ababini batê balala, baya kuva ukusitâ; angati-nina ukuva ukusitâ olele yedwa?

12 Ukuba umntu ute wamgagamela oyedwa, bona ababini bayakumisa pâmbi kwakê; umsonto ontlu ntatû awuhle uqâulwe.

13 Ulungile umntwana olihlwempu elilumkile ngapêzu kokumkani osele mkûlu, esidenge, ongasakuvayo ukuyala.

14 Ngokuba upûma endlwini yamakônxwa ukuba abe ngukumkani; ukanti uzalelwe ebukumkanini balowo ulihlwempu.

15 Ndababona bonke abadla ubomi, behambâ pântsi kwelanga kunye naye umntwana, lo ungowesibini, uza kuma esikûndleni salowo;

16 Akukô kupêla kwabantu bonke, kwabo bonke angapâmbi kwabo; ukanti amavela-mva akayi kuvuya ngaye; ngokuba kwa nalonto ingamampunge nokusukelana nomoya.

5 Gcina unyawo lwakê, xeshikweni uya endlwini ka-Tixo; ukusondela ukuba uve kungapêzu kokunikela imibingelelo kwezidenge; ngokuba ukungazi kwazo kwenza izinto ezimbi.

2 Mus'ukunxâma ngomlomo wakô, intliziyo yakô ingapângi ikûpê ilizwi pâmbi ko-Tixo; ngokuba u-Tixo usezulwini, ke wena usemhlabeni; ngenxa yoko amazwi akô makabe mancinane.

3 Ngokuba ukupûpâ kuza ngobuninzi bemicimbi, nezwi lesidenge liza ngobuninzi bentetô.

4 Xeshikweni utê wahâmbâtisa isibâmbâtiso ku-Tixo, mus'ukuzekelela ukusizalisa; ngokuba azinanzwa izidenge; louto uyibâmbâtisileyo yizalise.

Digitized by Google

5 Kulungile ukuba ungabâmbâtîsi kunokuba ubâmbâtîse ungazalisi.
6 Mus'ukuwuvumela umlomo wakô, ukuba uyônise inyama yakô, ungatsho pâmbî komtûnywa ka-Tîxo ukutî ibi kulahleka; yinina ukuba u-Tîxo abe nobufalafume ngezwi lakô, asonakalise isenzo sezandla zakô?
7 Ngokuba ebuninzini bamapûpâ namazwi maninzi amampunge; ke yoyika u-Tîxo.

8 Ukuba utê wakubona ukucudiswa kwehlwempu, nokuhlutwa kokusesikweni nobulungisa elizweni, mus'ukumangaliswa yilonto; ngokuba oyena upâkamileyo ukângele pêzu kopâkamileyo, kuko abapâkamileyo napêzu kwabo.
9 Ilungelo lelizwe entweni yonke ngukumkani onyamekela umhlaba.

10 Otânda i-silvere akaneliswa yi-silvere; nalowo utânda intabalala, akangenelwa nto. Kwa nalonto ingamampunge.
11 Ekwandeni kwento ezilungileyo bayanda abazidlayo zona, abe nempumelelo eyinina umninizo ingekukô ukwanel' ukuzibona ngamehlo?
12 Bumnandi ubutôngo bosebenzayo, nokuba incinane, nokuba ininzi into ayidlayo; ke intabalala yesityebi ayisivumeli ukuba silale butôngo.

13 Kukô ububi obusisifo, endibubonileyo pântsi kwelanga; ukutî ubutyebi obugcinelwe umninibo, bube nobubi kuye;
14 Obobutyebi butshabalala ngento embî; uzala unyana, engenayo nento esandleni sakê.
15 Njengokuba wapûma esizalweni sonina ezê, uya kubuya emke njengoko weza enjalo, angatâbatî nento ngemigudu yakê, angayipâtâ ngesandla sakê.
16 Kwa nalento bububi obusisifo, ukuba eya kumka kanye kwa njengoko weza ngako; unalungelo linina-ke owapûkela umoya?
17 Kananjalo imini zakê zonke uzidlela emnyameni, enengqumbô enkulu, nesifo nobufalafume.

18 Nantsi into endivibonileyo mna, ilungile intle, into yokutî umntu adle, asele abone okulungileyo ngemigudu yakê yonke, apûka yiyo pântsi kwelanga, ngokwenani lemihla yobomi bakê, amnikileyo u-Tîxo; ngokuba kusisabelo sakê oko.
19 Kananjalo wonke umntu, atê u-Tîxo wamnika ubutyebi nokuqweba, wammika negunya lokudla kubo, atâbatê isabelo sakê, avuye emigudwini yakê; sisipô sika-Tîxo eso.
20 Ngokuba akayikûmbûli kakûlu imihla yobomi bakê; ngokuba u-Tîxo elupéndula uvuyo lwentliziyo yakê.

6 Kukô ububi endibubonileyo pântsi kwelanga, buninzi-ke pêzu komntu:
2 Yindoda u-Tîxo ayinike ubutyebi, nokuqweba nozuko, ungasweli umpêfumlo wayo nanye into engayinqwenelayo, aze u-Tîxo angayipi amandla okuyidla; ngokuba idliwa yenye indoda; ngamampunge lawo, sisifo esibi eso.
3 Ukuba umntu utê wazala ikûlu labantwana, wadla ubomi iminyaka emininzi, yamininzi imihla yeminyaka yakê, umpêfumlo wakê awahluta zinto ezilungileyo, kananjalo akaba nancwaba; ndití, Imvambîlini ilungile kunaye.
4 Ngokuba ifike ingamampunge, imka kumnyama, igama layo ligutyungelwe bubumnyama;
5 Kananjalo ayilibonanga ilanga, ayilazanga; le yona ilungile kunomntu lowo.
6 Nokuba ebeya kudla ubomi iwaka leminyaka kude kube kabini, angakuboni okulungileyo, ayiyi ndaweni nye-na yonke lonto?
7 Yonke imigudu yomntu uyenzela umlomo wakê; ukanti umpêfumlo awuzali.
8 Ngokuba isilumko sisigqita nganto-nina isidenge? usigqita nganto-nina olusizana okwaziyo ukuhambâ pâmbî kwabapîlileyo?
9 Kulungile ukubona kwamehlo ngapêzu kokuhambâhambâ kompêfumlo. Kwa nalonto ingamampunge nokusukelana nomoya.

10 Lonto iselikô, yabi selitîywe kade igama layo; yaziwa into aya kuba yiyo umntu; akanakumelana nalowo unokumevisa.
11 Ngokuba kukô amazwi amaninzi-nje andisa amampunge, umntu unalungelolinina ngalonto?
12 Ngokuba ngubanina owaziyo okumlungeleyo umntu ebomini ngangenani lemi-

Digitized by Google

hla yobomi bakê obungamampunge, ayigqiba njengesitûnzi? ngokuba ngubanina onokumxelela umntu into eya kubakô emva kwakê pântsi kwelanga?

7 Igama elilungileyo lingapêzulu nakwioli elungileyo; ulungile umhla wokufa ngapêzu komhla wokuzalwa komntu.
2 Kulungile ukuya endlwini yesijwili kukunokuya endlwini yemigido; kuba oko kupêla kwabantu bonke, aze opîlileyo akunyamekele ngentliziyo oko.
3 Kulungile ukuba nosizi ngapêzu kokuhleka; ngokuba intliziyo iyalunga bububi bobuso.
4 Intliziyo yezilumko isendlwini yesijwili; ke intliziyo yezidenge isendlwini yovuyo.
5 Kulungile ukuva ukukâlinyelwa kwesilumko kunokuba umntu eve ingoma yezidenge.
6 Ngokuba njengokuqûqûmbâ kwevaba pântsi kwembîza, kunjalo ukuhleka kwesidenge; nalonto ingamampunge.
7 Ngokuba ukucudisa kugezisa isilumko, siyitshabalalise intliziyo isicêngo.
8 Kulungile ukugqitywa kwendawo ngapêzu kokuqalwa kwayo; ulungile umoya ozeka kade umsindo kunomoya ozidlayo.
9 Mus'ukukunxâmela ukuqumba ngomoya wakô, ngokuba ingqumbô ilala esifubeni sezidenge.
10 Mus'ukutî, Ibi yinina lento, imihla yamandulo ibilungile ngapêzu kwalé; ngokuba akutâbatêli ebulumkweni ukuyibuza lonto.
11 Bulungile ubulumko bunelifa, bulilungelo kwabalibonayo ilanga.
12 Ngokuba ubulumko bungumtûnzi, imali ingumtûnzi; ke ukugqitisela kokwazi, kukuba ubulumko bubasindisa aba banabo.
13 Wukângele umsebenzi ka-Tîxo; ngokuba ngubanina onokolula into, ayenze yagoso?
14 Ngomhla wentsikelelo cwayita, nangomhla wobubi qonda kakuhle; ukuba naló kwa njengalowa wenziwe ngu-Tîxo, ngenx' enokuba umntu engafumani nto emva kwakê.

15 Lento yonke ndiyibonile ngemihla yam engamampunge: kubakô ilungisa elitshabalalayo noko linobulungisa, kubekô ongendawo opîla ixesha elide noko angendawo.
16 Mus'ukuba lilungisa ngokukûlu, ungabi silumko ngokugqitiseleyo; yinina ukuba uzipânzise.
17 Mus'ukuba ngongendawo ngokukûlu, ungazenzi isidenge; yinina ukuba ufe lingekabi lixesha lakô?
18 Kulungile ukuba ubambêlele kulento nakuleya, ungasipûmzi isandla sakô; ngokuba owoyika u-Tîxo upumelela kuzo zonke zipêla.

19 Ubûlumko buyasiqinisa isilumko ngapêzu kweshumi labanegunya abakulomzi.
20 Ngokuba akukô mntu ulilungisa emhlabeni, wenza okulungileyo, angôni.
21 Kananjalo mus'ukuyinikela intliziyo yakô kumazwi onke atêtwayo, ukuze ungevi umkônzi wakô, eselekutshabisa;
22 Ngokuba intliziyo yakô nayo iyazi izihlandlo ezininzi, ukuba uyabatshabisa abanye nawe.

23 Ezonto zonke ndizilingile ngobulumko; ndatî ndiya kulumka, ke bona baba kude kum.
24 Hayi, ukuba kude kwezinto ezikôvo, zinzulu kakûlu; ngubanina oya kuzifumana?
25 Ndajika-ke mna, ndanentliziyo enga ingazi, ingasingasinga, ifune ubulumko nesigqibo sengcinga, enga ingakwazi okungendawo ukuba kukunyaba, nokumatâ ukuba kukugeza.
26 Ndayifumana iŕaŕa ngapêzu kokufa, inkazana eyiyimigibe ipêla, ezizibatâ intliziyo yayo, ezandla zingamakâmandela; olungileyo pâmbî ko-Tîxo uya kusinda kuyo, ke yena umoni uya kubanjiswa yiyo.
27 Yabona, into endiyifumeneyo, itsho intshumayeli, ndihloma enye kwenye, ukuba ndifumane isigqibo sengcinga;
28 Obumana ukuyifuna umpêfumlo wam, ndingayifumani, nantsi: indoda enye ewakeni ndiyifumene, ke yona inkazana kulo lonke andiyifumananga.
29 Yabona, lento yodwa ndiyifumene yokuba u-Tîxo wamenza umntu watî-tye, ke bona bafune ubuqili obuninzi.

8 Ngubanina onjengesilumko esi? ngubanina okwaziyo ukuconjululwa kwendawo? Ubulumko bomntu bukânyisa

Digitized by Google

ubuso bakê, buguqulwe ubungwanyalala bobuso bakê.

2 Mna nditî, umtêtô wokumkani wugcine ngenxa yesifungo sika-Tixo.

3 Mus'ukukunxâmela ukumka ebusweni bakê; ungangeni kwiyelenqe; ngokuba into yonke ayinanzileyo uyayenza;

4 Ekubeni ilizwi lokumkani linegunya; ngubanina onokutî kuye, Wenza nto-nina?

5 Ogcina umtêtô, akazi nto imbî; intliziyo yesilumko iyalazi ixesha nesigwebo;

6 Ngokuba yonke imicimbî inexesha nesigwebo; ngokuba ububi bomntu buba buninzi pêzu kwakê.

7 Ngokuba engayazi into eya kubakô; ngokuba ngubanina onokumxelela njengoko kuya kuba njalo.

8 Akukô mntu unokuwugunyazela umoya, awutîntele umoya; akukô unokuyigunyazela imini yokufa; akukô kukûluleka kulomfazwe; okungendawo akunakubasiza abaniniko.

9 Lento yonke ndiyibonile, ndayinikela intliziyo yam kwizenzo zonke ezenziwayo pântsi kwelanga, ngexesha atî umntu agunyazele umntu, kube kubi kuye.

10 Ekubeni kunjalo, ndibone abangendawo bencwatywa, begoduka; besitî endaweni engcwele bemke, balityalwe kulomzi abo benze okulungileyo. Kwa nalonto ingamampunge.

11 Ekubeni isigwebo singawiswa kamsinyane emsebenzini ombî, ngenxa yoko intliziyo yonyana baka-Adam izele ngâpakatî kwabo kukwenza okubi.

12 Ekubeni umoni esenza okubi izihlandlo ezilikûlu, ayolule imihla yakê, noko ndiyazi ukuba kuya kulunga kwabamoyikayo u-Tixo, kwaboyikayo ebusweni bakô;

13 Kungalungi kongendawo, angayoluli imihla yakê njengetûnzi; ekubeni engoyiki ebusweni buka-Tixo.

14 Kuko amampunge awenzekayo emhlabeni: ukuba kukô amalungisa, ahlelwa ngokokwenza kwabangendawo; kukô nabangendawo, abahlelwa ngokokwenza kwamalungisa; ndatî, Kwa nalonto ingamampunge.

15 Ndalucoma-ke mna uvuyo, ngokuba kungekô nto imlungeleyo umntu pântsi kwelanga, ngapêzu kokuba adle, asele, avuye; lonto itâne-mbende naye emigudwini yakê ngemihla yobomi bakê amnikayo u-Tixo pantsi kwelanga.

16 Xeshikweni ndayinikelayo intliziyo yam ukuba ndibazi ubulumko, ndiwubone umzamo owenzekayo emhlabeni; ngokuba nasemini nasebusuku ababoni butôngo ngamehlo abo;

17 Ndasibona-ke sonke isenzo sika-Tixo, ukuba akanakô umntu ukusifumana isenzo eso senzekayo pântsi kwelanga; ekubeni umntu esapûka ukusifuna, akasifumani; nokuba sitê isilumko safuna ukwazi, asinakufumana.

9 Ngokuba yonke lento ndayinyamekela ngentliziyo yam, ndayihlela yonke lento, yokuba amalungisa, nezilumko, nemisebenzi yabo isesandleni sika-Tixo; nokutânda nokutîya, akukôna ekwazini kwabantu; lento yonke sebeyimiselwe.

2 Izinto zonke zibahlela ngokufanayo bonke: simye isihlo kwilungisa nakongendawo; kolungileyo kohlambûlukileyo nakoyinqambî; kobingelelayo nakongabingeleliyo; njengoko anjalo olungileyo, unjalo nomoni; ofungayo unjengokoyikayo ukufunga.

3 Le yinto embî pâkatî kwento zonke ezenzekayo pântsi kwelanga, ukutî sibe sinye isihlo kubo bonke; nentliziyo yonyana baka-Adam izele bububi; bubugeza entliziyweni yabo besadla ubomi; emvem kwabo kuyiwa kwabafileyo.

4 Ngokuba kosukuba ehlonyelwa kwabasadla ubomi, kusekô itêmbâ; ngokuba inja esapîlileyo ilunge ngapêzu kwengonyama ofileyo.

5 Ngokuba abadla ubomi bayazi ukuba baya kufa; ke bona abafileyo abazi luto, abasabi namvuzo; ngokuba balityelwe ababasakûnjulwa nganto.

6 Selupêlile kade utândo lwabo nentiyo yabo nekwele labo, abasenasabelo ngonapâkade ezintweni zonke ezenzekayo pântsi kwelanga.

7 Yiya udle isonka sakô unovuyo, usele iwayini yakô unentliziyo eowayitileyo; ngokuba sekukade ekôlisiwe u-Tixo zizenzo zakô.

8 Ingubo zakô mazibe mhlope ngamaxesha onke, ne-oli mayingasweleki entloko yakô.

9 Hlala kakuhle nomfazi omtândileyo

Digitized by Google

ngemihla yonke yobomi bakô obungamampunge, akunikileyo pântsi kwelanga, ngemihla yakô yonke engamampunge; ngokuba sisabelo sakô eso ebomini, nasemigudwini yakô owapûka yiyo pântsi kwelanga.

10 Yonke into esiyifumanayo isandla sakô ukuba siyenze ngamandla akô, yenze; ngokuba akukô kwenza, nakucinga, nakwazi, nakulumka kwelabafileyo, apô uya kôna.

11 Ndabuya ndabona pântsi kwelanga, ukuba ukugidima asikokwaba namandu, imfazwe asiyeyamagofa; kananjalo isonka asisesezilumko; kananjalo ubutyebi asibobaba nengqiqo; kananjalo ubabalo asilolwaba nokwazi; ngokuba bonke bepêla bafikelwa lixesha nasisihlo.

12 Ngokuba umntu akalazi nexesha lakê; njengentlanzi ezibanjiswe ngomnatâ ombi, nanjengentaka ezibanjiswe ngomgibe, banjalo ukufintyelwa kwabo onyana baka-Adam ngexesha elibi, xa libawele ngesiqupê.

13 Nalento ndiyibone ibubulumko pântsi kwelanga, babukûlu kum:

14 Umzi omncinane unamadoda ambalwa; kweza kuwo ukumkani omkûlu, wawungqinga, wawakêla imbôniselo ezinkulu;

15 Wafumana kuwo indoda elihlwempu inobulumko; yona yawusiza umzi ngobulumko bayo; ke akubangakô mntu ubuye ayikûmbûle lendoda elihlwempu.

16 Ndatî-ke mna, Bulunge ubulumko ngapêzu kobugofa: kodwa ubulumko belihlwempu budelekile, namazwi alo akaviwa.

17 Amazwi ezilumko eviwe ngokutôzama angapêzu kokunqangaza kolaula pakati kwezidenge.

18 Bulunge ubulumko ngapêzu kwempahla zokulwa; ke yena umoni emnye utshabalalisa okulungileyo kukuninzi.

10 Impukane ezifileyo zinukisa zibilise amafutâ omqôli; ubudenge obuncinane bunzima kunobulumko nozuko.

2 Intliziyo yesilumko ingasekunene kwaso; intliziyo yesidenge ingasekôhlo kwaso.

3 Ewe, nasendleleni, xa sitê isidenge sahambâ ngayo, siyayiswela intliziyo, sihambê sisitî kubantu bonke ndisidenge.

4 Ukuba ukufutâ komlauli kutê kwenyuka kwakucâsa, mus'ukuyishiya indawo yakô; ngokuba ubulali buleleza izono ezikûlu.

5 Kukô ububi endibubonileyo pântsi kwelanga, obunjengokulahleka okupûma konogunya.

6 Ubudenge bunikwa indawo ezipêzulu ezinkulu, zibe izityebi zihleli kwindawo ezipântsi.

7 Ke ndibabone abakônzi bekwêle emahasheni, namatshawe ehambâ pântsi ngenyawo njengabakônzi.

8 Ombâ isigingqi, angeyela kuso; ocîtâ utângo, inyoka ingamluma.

9 Ombâ amatye, angenzakala; ocanda inkuni angaba semngcipêkweni.

10 Ukuba intsimbi itê yabutûntu, akalulola uhlangotî lwayo, wogonyela ngoko ngamandla; ke ubulumko buyanceda bulungise.

11 Ukuba inyoka itê yaluma kungekô kukâfula, akabi nanzuzo umnyangi.

12 Amazwi omlomo wesilumko anokubabala; ke yona imilebe yomlomo wesidenge iyasiginya sona.

13 Ingqalo yamazwi omlomo waso budenge, nengqibo yomlomo waso bugoza obubi.

14 Isidenge sandisa amazwi, engakwazi umntu okuya kubakô; nokuya kubakô emva kwakê, ngubanina onokumxelela?

15 Imigudu yezidenge iyazixâmla, ezingakwaziyo ukuya emzini.

16 Yeha wena lizwe, likumkani ungumntwana, limatshawe adla kwakusasa.

17 Hayi uyolo lwako, lizwe likumkani ungunyana wabanumzana, limatshawe adlayo ngexesha elikilo, enobugofa, enge namitâyi.

18 Ngobuvila iyabêna imiqadi; ngokutâmbâ kwezandla iyanetâ indlu.

19 Benza ukudla ukuba bahleke, i-wayini ivuyise ubomi, imali ilungele into zonke.

20 Mus'ukumtshabisa ukumkani, nasesazeleni sakô, ungasitshabisi nesityebi ezingontsini zakô zokulala; ngokuba intaka yasendle yolihambîsa elozwi, nento enamapîko ixele lontetô.

11 Sipôse isonka sakô pezu kwamanzi; ngokuba wosifumana kwakuba zintsuku ezininzi.

Digitized by Google

2 Yahlula izahlulo zibe sixênxe, zibe sibôzo, ngokuba akuyazi into embî eya kubakô emhlabeni.

3 Ukuba amafu atê azala yimvula, ayitûlulela emhlabeni; ukuba umtî utê wawa, wabêka e-Zantsi, nokuba utê wabêka e-Ntla, kulondawo uwe kuyo umtî lowo, wolala kôna.

4 Ogqala umoya, akayi kuhlwayela; okângela amafu, akayi kuvuna.

5 Njengokuba ungayazi ukuba yiyipîna indlela yomoya, kwa njengamatâmbô esiswini somitîyo; ngokunjalo akusazi isenzo sika-Tîxo owenza into zonke.

6 Kusasa hlwayela imbêwu yakô, nangokuhlwa ungasipûmzi isandla sakô; ngokuba ungazi ukuba kolunga yipîna, nokuba yilé nokuba yileya kusinina, nokuba zolunga ngakunye zombîni-na.

7 Kumnandi ukukânya, kulungile emehlweni ukulibona ilanga.

8 Ngokuba umntu, ukuba utê wadla ubomi iminyaka emininzi, makavuye ngayo yonke ipèla, noko-ke akûmbûle imihla yobumnyama, ukuba iya kuba mininzi. Yonke into ezayo ingamampunge.

9 Vuya, ndodana, ebutsheni bakô, ikuwayitise intliziyo yakô ngemihla yobudodana bakô, uhambê ngendlela zentliziyo yakô nangokukângela kwamehlo akô; kodwa yazi ukuba ngenxa yezozinto zonke u-Tîxo uya kukusa ematyaleni,

10 Yisuse-ke ingqumbô entliziyweni yako, ubudlulise ububi enyameni yakô; ngokuba ubutsha nobudoda bungamampunge.

12 Uz'umkûmbule-ke u-Mdali wakô ngemihla yobutsha bakô, ingekezi imihla yobubi, ingekafiki iminyaka, owotî ngayo, Ayindiyolele;

2 Lingekabi mnyama ilanga, nokukânya, nenyanga, nenkwenkwezi, engekabuyi amafu emva kwemvula;

3 Lomini baya kugevezela abagcini bendlu, agobe amadoda anoburoti, ziyeke intokazi ezisilayo ngokuba zimbalwa, kube mnyama kwabakângela nge-festile;

4 Zivalwe ingcango ngasesi-trateni, kwakubon'ukuba sidambîle isandi sokusila, evuka kwazisatêt' intaka, zinqwilile zonke intombî zengoma.

5 Naxeshikweni baya kuzoyika indawo ezipâkamileyo, nento eziqîpûl' umbilini zisendleleni; utyatyambê um-amangile, ucâbacâbase umqâtû, zitshitshe inkozo zom-kapere; ngokuba umntu esiya ekâya lakê lapâkade, bajikajike ezi-trateni abambâmbâzeli;

6 Ingekaqâuki intambô ye-silvere, lityumke iselwa se-golide, uqêkeke umpânda emtônjeni, yapûke i-vili iwe equleni,

7 Lungekabuyeli emhlabeni utûli njengoko belunjalo, umoya ubuyele ku-Tîxo owawunikayo.

8 Amampunge awo amampunge, itsho intshumayeli; into yonke ingamampunge.

9 Pêzu koko, ngokuba intshumayeli ibi sisilumko, yaman' ibafundisa abantu ukwazi, yalinganisela, yagocagoca, yayila imizekeliso emininzi.

10 Intshumayeli yafuna isinga ingafumana amazwi anandipêkayo, kukutî nokubâlwayo kulunge, ibe ngamazwi enyaniso.

11 Amazwi ezilumko anjengoviko, anjengezikonkwane ezitshonisiweyo, asezintlanganiseleni, anikwe ngumalûsi emnye.

12 Nangapêzu koko, nyana wam, vuseleleka; ukwenza incwadi ezininzi akunakupêla, nokupîkel' ukufunda okuninzi kudinisa inyama.

13 Ukuhlanganiswa kwentetô, yakuba ivakele into yonke, nanku: Yoyika u-Tîxo, ugcine imitêtô yakê; ngokuba indawo-leyo yimfanelo yoluntu lonke.

14 Ngokuba izenzo zonke u-Tîxo uya kuzisa ekugwetyweni, into zonke ezifihlakeleyo, nokuba zilungile nokuba zimbî.

Digitized by Google

INGOMA YAZO INGOMA.

ISIQENDU I.

INGOMA yazo ingoma, eyeka-Solomon.

2 Makandange ngokwanga komlomo wakê;
Ngokuba izincokoliso sakô zimnandi ngapêzu kwe-wayini.
3 Amafutâ akô anevumbâ elimnandi;
Liyi-oli etûlulwayo igama lakô;
Ngenxa yoko intombî ziyakutânda.
4 Nditsale, sogidima emva kwakô;
Ukuba ukumkani undingenise ezingontsini zakê,
Sogcoba, sivuye ngawe,
Sozikânkanya izincokoliso zakô ngapêzu kwe-wayini;
Zikutânda zinyanisile.

5 Ndimnyama, ndinomkîtâ noko,
Zintombî zase-Yerusalem,
Njenge-ntente zakwa-Kedare,
Njengamalengalenga ka-Solomon.
6 Musân' ukundikângela ngokuba ndife mnyama,
Ngokuba nditshe lilanga.
Onyana bakamâ bandivutêla ngomsindo,
Bandenza umlindi wezi-diliya;
Ke esisesam isi-diliya andisilindanga.
7 Kâundixelele, wena utândwa ngumpêfumlo wam,
Walûsela pîna? uyibutîsa pîna imihlambî emini enkulu?
Ngokuba kunganina ukuba ndibe njengogqubutêleyo
Ngasemihlambîni yamakôlwane akô?

8 Ukuba akwazi, nzwakazindini pâkatî kwentokazi,
Pum'uhambê ngemikondo yomhlambî,
Uwalûse amatâkane akô ngaseminqubeni yabalûsi.

9 Ndikufanekise, wetu!
Nehashe kwawenqwelo zika-Faro.
10 Zinomkîtâ izidlele zakô zingcaca,
Umqala wakô zidanga.
11 Sokwenzela ingcaca ze-golide
Ezinamaqûla e-silvere.

12 Xa ukumkani asese-tafileni yakê,
I-nadusi yam isuk'ilikûpê ivumbâ layo.
13 Siqûma se-more intânda yam kum,
Esihleli pâkatî kwamabele am.
14 Sihloko se-kofere intânda yam kum
Ezi-diliyeni zase-En-gedi.

15 Yabona, uyinzwakazi, wetû! yabona, uyinzwakazi!
Amehlo ako anjengawamahobe.

16 Yabona, uyinzwakazi, ntânda yam; ewe umnandi;
I-koyi yetû iluhlaza.
17 Imiqadi yendlu yetû yimi-sedare,
I-panele zetû yimi-sipres.

2 Ndingumfiyo wase-Sharon,
Ndiyinyibiba yasezintlanjeni,

2 Njengenyibiba pâkatî kweminga,
Unjalo uwetû pâkatî kwentombî.
3 Njengom-apile pâkatî kwemitî yehlatî,
Injalo intânda yam pâkatî konyana.
Ndanqwena, ndahlala pântsi emtûnzini wawo,
Nesiqâmo sawo sanencasa emakûhlangubeni am.
4 Indingenisê endlwini ye-wayini,
Ne-banile yayo pêzu kwam lutândo.
5 Ndixâseni ngezicumbâ ze-rasintyisi,
Ndisekeleni nge-apile; ngokuba ndisifa lutândo.
6 Isandla sayo sokôhlo sipântsi kwentloko yam;
Esokunene siyandiwola.

7 Zintombî zase-Yerusalem, ndinifungisa
Amabâdikazi namaxâmakazi asendle,
Ukuba ningaluvusi, nokuba ningaluvuseleli utândo

Digitized by Google

Lude lutânde.

8 Pûlapûlani! intânda yam, nantso isiza,
Itsiba ezintabeni, isuka imitsi ezindulini.
9 Intânda yam ifana nebâdi nenkonyana yexâma.
Nantso imi emva kodonga lwakokwetû,
Itê-nzo nge-festile,
Inyondla ngeroba.
10 Intânda yam yasusela, yatî kum,
Suk'ume, wetû, nzwakazi yam, uze;
11 Ngokuba uyabona, ubusika budlule,
Imvula igqitile yemka;
12 Intyantyambô zibonakale ezweni;
Ixesha lokuntyiloza *kwentaka* lifikile;
Izwi lezuba livakele ezweni letû;
13 Umkîwane uŕwala amakîwane awo,
Imi-diliya ityatyambile,
Itsho ngevumbâ *elimnandi*.
Suk'ume, wetû, nzwakazi yam, uze.
14 Hobe lam emxawukeni wengxondoŕa,
entsitêlweni yemiba,
Ndibonise ubuso bakô, ndivise izwi lakô;
Ngokuba ilizwi lakô limnandi, ubuso bakô bunomkîtâ.
15 Sibambêleni impungutye, impungutye ezincinane ezonakalisa izi-diliya;
Izi-diliya zetû zityatyambile.
16 Intânda yam yeyam, nina-ke ndingowayo,
Yalûsela ezinyibibeni.
17 Ide ipôle imini, oluke amatûnzi,
Jika, ntânda yam, uxel' ibâdi, uxel' inkonyana yexâma
Ezintabeni ezibugqagala.

3 Esililini sam ebusuku ndamfuna lowo utândwa ngumpêfumlo wam;
Ndamfuna andamfumana.
2 Ndatî, Ndokâ ndivuke, ndijikajike pâkati komzi,
Ezindaweni zembûtô nasezi-trateni;
Ndiya kumfuna lowo utândwa ngumpêfumlo wam;
Ndamfuna andamfumana.
3 Abalindi abajikajika pâkatî komzi bandifumana;
Ndatî kubo, Kênambona-na lowo utândwayo ngumpêfumlo wam?
4 Nditi ndisandul'ukudlula kancinane kubo,
Ndamfumana lowo utândwayo ngumpêfumlo wam,
Ndambambâ andamyeka,
Ndada ndamzisa endlwini kamâ,
Engontsini yowandikâulayo.

5 Zintombî zase-Yerusalem, ndinifungisa
Amabâdikazi namaxâmakazi asendle,
Ukuba ningaluvusi, nokuba ningaluvuseleli utândo
Lude lutânde.

6 Ngubanina lo unyuka evela entlango njengemiqulu yomsi,
Eqûnyiselwa nge-more nentlak' emblope,
Itatyatwe emigutyeni yonke yomfwebi.
7 Yabona, isinqênqelo sika-Solomon,
Sipahlwe ngamagoŕa angamashumi amatândatû
Kumagoŕa akwa-Sirayeli.
8 Onke apêtê amaŕele, afundiswe ukulwa,
Lilelo lineŕele etângeni lalo
Ngenxa yokoyika ebusuku.
9 Ukumkani u-Solomon uzenzele itâla
Ngemitî yase-Lebanon.
10 Intsika zalo uzenze nge-silvere,
Isayamo salo nge-golide, umqamelo walo ngento emfusa,
Umpâkatî walo ubekelelwe ngotândo.
Luvela ezintombini zase-Yerusalem.
11 Pûmani, zintombî zase-Tsiyon, nimkângele ukumkani u-Solomon.
Enesitsaba, awasinxitywa ngunina ngemini yokuzeka kwakê,
Nangemini yokuvuya kwentliziyo yakê.

4 Yabona, uyinzwakazi, wetû; yabona, uyinzwakazi;
Amehlo akô anjengawamahobe ngapâya kwesigqubutêlo sakô;
Inwele zakô zinjengomhlambî we-bôkwe
Osematâmbêkeni entaba zase-Giliyadi;
2 Amazinyo akô anjengomhlambî wegusha ezicêtyiweyo,
Ezinyukayo zivela ekuhlanjweni,
Zinamawele zonke,
Kungekô ifelweyo kuzo.

Digitized by Google

3 Unjengosinga olubomvu umlomo wakô,
Ukutêtâ kwakô kumnandi.
Zinjengotânda lwe-ŧarnate intlafuno zakô
Ngapâya kwesigqubutêlo sakô.
4 Intamo yakô injengenqaba ka-Davide, eyakîwe ngokwendidi,
Ekuxônywe kuyo iwaka lengweletshetshe,
Onke amakâka amagoŧa.
5 Amabele akô omabini anjengamankonyana amabini engamawele ebâdi,
Esidla pâkatî kwenyibiba.
6 Ide ipôle imini, oluke amatûnzi,
Ndiya kuhambâ ndiye entabeni yemore
Nasendulini yentlak'emhlope.
7 Uyinzwakazi kwapêla, wetû;
Akukô sipâko kuwe.

8 Yiza sihle e-Lebanon, mtshakazi,
Yiza sihle e-Lebanon;
Ufike ubonisele encotsheni ye-Amana,
Encotsheni ye-Senire ne-Hermon,
Ezikûndlemi zengonyama, ezintabeni zamahlosi.
9 Uyinxwelefile intliziyo yam, dade wetû, mtshakazi;
Uyinxwelefile intliziyo yam, ngomjezulo omnye,
Ngamŧukane mnye wesambâlo sakô.
10 Azi kuhle ukuncokolisa kwakô, dade wetû mtshakazi!
Azi kumnandi ukuncokolisa kwakô ngapêzu kwe-wayini
Nevumbâ lamafutâ akô ngapêzu kobulawu bupêlele!
11 Umlomo wakô uvuza incindi, mtshakazi;
Bubusi namasi ngapântsi kolwimi lwakô;
Ivumbâ lengubo zakô linjengevumbâ le-Lebanon.
12 Ngumyezo obiyelweyo udade wetû, umtshakazi;
Ngumgogogo ovaliweyo, liso lomtômbô elitywiniweyo.
13 Amahlumelo akô ngumyezo wemi-ŧarnate kunye neziqâmo ezimnandi kakûlu,
I-kofere kunye ne-nadusi;
14 I-nadusi ne-safron,
I-kalamo ne-sinamon kunye nemitî yonke yentlak'emhlope,
I-more ne-haloti kunye nobulawu bonke obuyintloko;
15 Liliso lomtômbô lasemiyezweni,
Liqula lamanzi apîlileyo
Nemiqukuqela yamanzi yase-Lebanon.

16 Vuka, moya wase-Ntla, uze nawe wase-Zantsi:
Pêpêzela emyezweni wam, buqukuqele ubulawu bawo.
Mayingene intânda yam emyezweni wayo,
Idle isiqâmo esimnandi kakûlu.

5 Ndingenile emyezweni wam, dade wetû, mtshakazi wam;
Ndiyikîle i-more yam kunye netyeleba lam;
Ndiyidlile intlango yam kunye nencindi yam;
Ndiyisele i-wayini yam kunye namasi am.
Yidlani, betû,
Selani nibe mnandi, zintânda.

2 Ndilele, yona intliziyo yam ipâpâmile.
Yiva, nantso intânda yam inqonqoza, isitî,
Ndivulele, dade, wetû! hobe lam, ngqibeleli yam,
Ngokuba intloko yam izele ngumbetê,
Isihlwitâ sam sizele ngamatôntsi obusuku.
3 *Ndatî*, Sendikûlule nengubo yam yangapântsi; ndotî-nina ukubuya ndinxibe?
Sendizihlambîle inyawo zam, ndotînina ukubuya ndizidyobe?
4 Intânda yam yasolula isandla sayo ngeŧoba;
Kwasik' esiswini ngenxa yayo.
5 Ndavuka ndaya kuyivulela intânda yam,
Nezandla zam zavuza i-more,
Neminwe yam i-more eyivuzelayo
Esipâtweni sesitshixo.
6 Ndayivulela mna intânda yam;
Ke yona intânda yam ibijike yemka.
Ndemkelwa ngumbilini yakutêtâ;
Ndayifuna, andayifumana;
Ndayibiza, ayasabela.
7 Bandifumana abalindi abajikajika pâkatî komzi,
Bandibetâ, bandilimaza;

Digitized by Google

Abalindi bendonga bandihluta ingubo yam yokwaleka eŕeleŕele.
8 Ndiyanifungisa, zintombî zase-Yerusalem, ukuba nitê nayifumana intânda yam,
Into enoyixelela yona, notî, Ndiyafa lutândo.

9 Iyinto-nina intânda yakô kunezinye intânda?
Wena nzwakazindini pâkatî kwentokazi?
Iyinto-nina intânda yakô kunezinye,
Ukuba wenje nje ukusifungisa?

10 Intânda yam iqaqambîle, iyingqombêla,
Eyongamileyo ngapêzu kwamawaka alishumi.
11 Intloko yayo iyi-golide engcwengiweyo, ecikizekileyo;
Isihlwitâ sayo sizinduli ngenduli, simnyama njengehlungulu.
12 Amehlo ayo anjengawamahobe engasemifuleni yamanzi,
Ezihlambâ ngamasi, ehleli njengamatye afakwa kakuhle.
13 Izidlele zayo zinjengemityino yetyeleba, njengezigânga zezityalo zokuqôla;
Umlomo wayo unjengenyibiba, zivuza i-more ezivuzelayo.
14 Izandla zayo zintonga ze-golide, zifakwe amatye ase-Tarshishe,
Isibili sayo silupôndo lwendlovu buŕwilwe nge-safire.
15 Imilenze yayo zintsika zamatye amhlope, zifakwe ezisekweni ze-golide engcwengiweyo.
Isitômo sayo sinjenge-Lebanon, sisihle njengemi-sedare.
16 Amakûhlanguba ayo anobumnandi; inqwenelekile yona ipêla.
Yiyo leyo intânda yam; nguye lowo uwetû,
Zintombî zase-Yerusalem.

6 Iye pîna intânda yakô,
Wena nzwakazindini pâkatî kwentokazi?
Ibôke ngapîna intânda yakô
Ukuze sikufunise?

2 Intânda yam ihle, yaya emyezweni wayo, emityinweni yetyeleba,
Ukuba iye kutya emyezweni, ukuba ikê inyibiba.
3 Mna ndingowentânda yam, nentânda yam yeyam yona;
Ityela ezinyibibeni.

4 Uyinzwakazi, wetû, njenge-Tirtsa,
Unomkitâ njenge-Yerusalem;
Woyikeka njengemikôsi ene-banile.
5 Wasuse amehlo akô kum,
Ngokuba andiqwelile.
Inwele zakô zinjengomhlambî we-bôkwe
Ezisematâmbêkeni ase-Giliyadi.
6 Amazinyo akô anjengomhlambî wemazi zegusha
Ezinyukayo, zivela ekuhlanjweni,
Zonke zizele amawele,
Kungekô ifelweyo kuzo.
7 Zinjengotânda lwe-ŕarnate intlafuno zakô
Ngapâya kwesigqubutêlo sakô.
8 Bangamashumi amatândatû okumkanikazi, angamashumi asibôzo amashweshwe,
Nentombî ezinge nakubalwa.
9 Mnye yena olihobe lam, oyingqibeleli yam;
Mnye yena kunina,
Umnyulwa walowo wamzalayo.
Zambona intombî, zatî unoyolo,
Bamdumisa okumkanikazi namashweshwe.

10 Ngubanina lo utî-gqi njengesifingo,
Mhle njengenyanga,
Unyulu njengelanga,
Woyikeka njengemikôsi ene-banile?

11 Bendihle ndaya emyezweni weminoti,
Ukuba ndikângele uhlaza lwesihlambô,
Ndikângele ukuba um-diliya unamatûpâ-na,
Imi-ŕarnate ityatyambile-na.
12 Bendingazi, ukuba umpêfumlo wam undibeke
Ezinqweleni zabantu bam, zamanene.

13 Buya, buya, Mshulamikazi;
Buya, buya, sikubone.
Nibona nto-nina kum-Shulamikazi?
Njengokungati kukuqambâ kwaba-Mahanayim.

Digitized by Google

7 Azi kuhle ukunyatéla kwakô ngembâdada, ntombî yenene!
Izimbô zamanqe akô zinjengezidanga,
Umsebenzi wezandla zencîbi.
2 Inkaba yakô sidendeleko esiyinqila;
Masingasweli i-wayini epîtikeziweyo;
Isisu sakô sidimbîlili senqôlowa,
Sibiyelwe ngenyibiba.
3 Amabele akô omabini anjengamankonyana
Amabini ebâdi engamawele.
4 Intamo yakô injengenqaba yopôndo lwendlovu;
Amehlo akô ngamacîbi ase-Heshbon,
Ngasesangweni layo inabantu abaninzi;
Impumlo yakô injengenqaba yase-Lebanon
Ebéke e-Damasko.
5 Intloko yakô pézu kwakô injenge-Karmele,
Ubuyakayaka bentloko yakô bunjengosinga olumfusa;
Ukumkani ukônxwe ngenjiko zabo.
6 Azi umhle, azi umnandi,
Lutândo, eziyolweni!
7 Iwonga lakô eli lifana nomtî wesundu;
Amabele akô afana nezihloko *zom-diliya*.
8 Ndatî, Ndiya kuminya emtîni wesundu;
Ndiya kubambélela emagqabini awo;
Amabele akô makabe njengezihloko zom-diliya;
Nevumbâ lempumlo yakô libe njengeapile;
9 Namakûhlanguba akô abe njenge-wayini-le ilungileyo,
Ihla kamnandi kwintânda yam,
Ibang'ukuba utétê umlomo wabalele-yo.

10 Mna ndingowentânda yam,
Kukum ukunxâmela kwayo;
11 Hambâ, ntânda yam, sipûme siye emapândleni,
Silale emizaneni.
12 Masivuke kusasa, siye ezi-diliyeni,
Sibone ukuba um-diliya unamatûpâna, intyantyambô zawo zibênqekile-na,
Imi-ŕarnate ityatyambîle-na:
Ndokunika apô izincokoliso zam.
13 Amatûma apâ anevumbâ;
Pezu kweminyango yetû ziqâmo ngeziqâmo ezimnandi kakulu ezitsha kwa nezidala,
Endiziqwebele wena, ntânda yam.

8 Akwaba ubunjengomnakwetû
Obesanya amabele kamâ!
Bendingatî ndikufumene pândle, ndikwange,
Bangandideli noko.
2 Bendiya kukuqûba, bendiya kukusa endlwini kamâ,
Ubuya kundifundisa.
Bendiya kukuseza i-wayini eqôliweyo
Nencindi yom-ŕarnate wam.
3 Isandla sayo sokôhlo besiya kuba pântsi kwentloko yam,
Esokunene sayo sindiwole.

4 Zintombî zase-Yerusalem, ndiyanifungisa,
Ningatî-nina ukuluvusa, ningatî-nina ukuluvuselela utândo
Lude lutânde?

5 Ngubanina lo unyuka evela entlango,
Esayama intânda yakê?

Ngapântsi kom-apile-lo ndakuvusa wena.
Kon'apâ waba nenimbâ ngawe unyoko,
Kon'apâ waba nenimbâ owakuzalayo.

6 Ndibeke njengomsesane wokutywina entliziyweni yakô, njengomsesane wokutywina engalweni yakô.
Ngokuba lunjengokufa ukuba nencwângu utândo
Ubukŵele bunjengelabafileyo ukuba lukûni;
Amalangatye abo ngamalangatye omlilo,
Ngamadangatye ka-Yehova.
7 Amanzi amaninzi akanakulucima utândo;
Imilambô ayinakuluntywilisela.
Ingafanelana indoda iŕole bonke ubuncwane bendlu yayo ngenxa yotândo,
Ingadelwa ideliwe.

8 Sinomsakwetû omncinanê,
Akakabi namabele.
Siya kutî-nina ngomsakwetû

Digitized by Google

Mini aganelweyo?
9 Ukuba uludonga yena;
Siya kwakâ pezu kwalo uqoqo lwesilvere;
Ukuba ungumnyango,
Somraqa ngamaceba om-sedare.

10 Ndaba ludonga mna, namabele am anjengenqaba;
Ndaza emehlweni ayo ndaba njengofumene uxolo.
11 U-Solomon ube nesi-diliya e-Bahaliamon,
Isi-diliya wasinikela kubagcini,
Ukuze elowo azise iwaka le-silvere ngesiqâmo saso.

12 Isi-diliya esisesam; sona siselulawlweni lwam;
Iwaka elo lelakô, Solomon;
Amakûlu amabini ngawabagcini besiqâmo saso.

13 Wena uhleliyo emiyezweni,
Amakôlwane alibazela indlebe izwi lakô,
Ndivise.

14 Dloba, ntânda yam,
Uxelise ibâdi namankonyana amaxâma
Ezintabeni zobulawu.

INCWADI KA-YESAYA UM-PROFETI.

ISIQENDU I.

UMBONO ka-Yesaya unyana ka-Amotsi, awawubonayo ngokusingisele ku-Yuda ne-Yerusalem, ngemihla yo-Uziya, no-Yotam, no-Ahazi, no-Hezekiya, okumkani bakwa-Yuda.

2 Yivani, mazulu; bekani indlebe, mhlaba; ngokuba kutêtâ u-Yehova, uti, Ndikûlisê abantwana ndabondla, besuka bareqa kum.
3 Inkomo iyamazi umniniyo, ne-esile liyawazi umkombê we-stali senkosi yalo; ke yena u-Sirayeli akazi, abantu bam abaqiqi.
4 Hayi, uhlanga olonayo, abantu abanobugwenxa, imbewu yabenza ububi, onyana abonakalisayo. Bamshiyile u-Yehova, bamgibile Oyingcwele ka-Sirayeli, babuyele emva.
5 Yinina ukuba niman' ukubetwa, niman' ukukwandisa ukutyeka? Yonke intloko iyafa, yonke intliziyo inobulwelwe;
6 Kutâbatêle enkwalini yonyawo, kwesa entloko; akukô ndawo ipilileyo; zinduma, nemivumbô, namanxeba amatsha; akacudiswanga, akabôtshwanga, akatânjiswanga nge-oli.
7 Kusenkangala elizweni lenu, imizi yenu itshiswe ngomlilo, umhlaba wenu udliwa ngabasemzini pâmbi kwenu, uyinkangala njengokubûkuqwa kwabasemzini.
8 Isele-ke intombi u-Tsiyon njengexôbongo esi-diliyeni, njengepempe entsimini yemixoxozi, njengomzi ongqingiweyo.
9 Koko u-Yehova wemikôsi wasisalisela intwana esindileyo, ngesaba njenge-Sodom, ngesafana ne-Gomora.

10 Yivani ilizwi lika-Yehova, bapâti base-Sodom, wubekeleni indlebe umyalelo ka-Tixo wetû, bantu base-Gomora.
11 Yeyanina kum lemibingelelo yenu mininzi kangaka? utsho u-Yehova. Ndidikiwe ngamadini anyukayo enkunzi zegusha, namanqatâ amatôle atyetyisiweyo; negazi lenkunzi ezintsha nelemvana nelebôkwe andilinanzile.
12 Xa niza kubonakala ebusweni bam, ngubanina okufunileyo oko esandleni senu ukugqusha intendelezo zam?
13 Ningapindi nizise mnikelo wakudla okukohlakeleyo, isiqumiso silisikizi kum; ukutwasa kwenyanga, ne-sabatâ, nokumema intlanganiso, ubutshinga kunye nengqunggutêla andinakubutwala.
14 Ukutwasa kwenyanga zenu namaxesha enu amisiweyo umpêfumlo wam uwa-

Digitized by Google

tíyile, asuke aba bunzima kum; ndidiniwe kukuwatŵala.
15 Ekoluleni kwenu izandla zenu ndiyakuwafihla amehlo am kuni; nokuba nandise ukutándaza, andiyi kuva; izandla zenu zizele amagazi.
16 Zihlambêni, ziqaqambíseni; susani ububi bentlondi zenu pámbí kwamehlo am; yekani ukwenza ububi;
17 Fundani ukwenza okulungileyo; kátálelani ukugweba; lulekani isibôvubôvu; gwebani ityala lenkedama; litêtêni ityala lomhlolokazi.

18 Kánize sibonisane, utsho u-Yehova; nokuba izono zenu zide zavela zinjengengubo ebomvu: zoba mhlope njengekêpu; nokuba zide zayingqombêla njengebala elibomvu, zovela zinjengoboya begusha.
19 Ukuba nitê navuma napŵlapŵla, nodla izinto ezilungileyo zelizwe;
20 Ukuba nitê anavuma, nanenkani, nodliwa lírele; kuba umlomo ka-Yehova utêtíle.

21 Yô utê-nina ukuba lihenyukazi umzi lo ubunyanisile, ubuzele kokusesikweni, ubulungisa bebulala kuwo; kengoku ungabancinitĺ.
22 I-silvere yakô isuka yaba ligwebu; iwayini yakô entle ingxengelelwe ngamanzi.
23 Abatêtêli bakô bazinjubaqa, ngamadlelana namasela; batánda izicêngo bonke bepêla, basúkela imivuzo; ityala lenkedama abaligwebi, netyala lomhlolokazi alinakufika kubo.

24 Ngako oko itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, imbalasane yakwa-Sirayeli, ukutí, Yeha, ndiya kuzitŵtŵzela kubabandezeli bam, ndizipíndezelele ezintshabeni zam;
25 Ndisibuyisele pêzu kwakô isandla sam, ndikunyibilikise inge kunge-soda, likŵtshwe igwebu lakô, ndisuse yonke ilote yakô;
26 Ndibabuyise abagwebi bakô njengokwasekuqaleni, namapâkatí akô njengokwamatanci; emveni koko kuya kutíwa, Wena ungumzi wobulungisa, uyinqaba enyanisileyo.
27 I-Tsiyon iya kukŵlulwa ngokusesikweni, nabaguquki bayo ngobulungisa;
28 Ukwapŵlwa kwnbarèqi naboni kube kunye, bapêliswe abamshiyayo u-Yehova.
29 Ngokuba baya kudana yimikôba ebeniyinqwenela, nibe nentloni yimiyezo ebeniyinyula;
30 Kuba niya kuba njengomkôba omagqabi omayo, nanjengomyezo onge namanzi;
31 Nenjengele abe yinxŵbuwa, nomsebenzi wakê ube yintlantsi, kutshe kupêle kokubini kunye, kungabikô ucimayo.

2 Ilizwi awalibonayo u-Yesaya unyana ka-Amotsi, ngokusingisele ku-Yuda ne-Yerusalem.

2 Kekaloku kuya kutí ekupêleni kwemihla, intaba yendlu ka-Yehova ivelele encotsheni zazo intaba, izongamele induli, zibe ngumsinga ukuya kuyo zonke intlanga;
3 Kuhambê izizwe ezininzi, zití, Yizani, sinyuke siye entabeni ka-Yehova, endlwini ka-Tíxo ka-Yakobi; asiyalele indlela zakê, sihambe ngomendo wakê; kuba kuya kupuma umyalelo e-Tsiyon nelizwi lika-Yehova e-Yerusalem;
4 Agwebe pâkatí kwentlanga, ohlwaye izizwe ezininzi, ziwakânde amarele azo abe ngamakŵba, nezikâli zazo zibe zizitshetshe ze-diliya; uhlanga lungapâkamiseli uhlanga irele, nezizwe zingapíndi zifunde ukulwa.

5 Ndlu ka-Yakobi, yizani, sihambê ekukanyeni kuka-Yehova.
6 Kuba ubalahlile abantu bakô, indlu ka-Yakobi; ngokuba bezele zinto zasempumalanga, bengamatola njengama-Filisti, bebambêlene ngezandla nabantwana bezinye intlanga.
7 Ilizwe labo lizele yi-silvere ne-golide; abunakupêla ubunowane babo. Ilizwe labo lizele ngamahashe; azinakupêla inqwelo zabo zokulwa.
8 Ilizwe labo lizele zitíxo ezinge-ni; baqubuda kumsebenzi wezandla zabo, kwinto eyenziwe yiminwe yabo.
9 Opántsi ugoba, nendoda epâkamileyo itôtyelwe pántsi, ungabaxoleli-ke.
10 Ngena eweni, uziselele elutŵlini ngenxa yokoyika u-Yehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakê.
11 Amehlo aqwayingileyo abapántsi atôtywe, noqânqalazo lwamadoda lusibeke-

Digitized by Google

ke; ngu-Yehova yedwa owoba yingxonde ngalomini.

12 Kuba u-Yehova wemikôsi unemini eyozongamela izinto zonke ezineŕatshi, ezinoqânqalazo; nezinto zonke ezizinyusileyo, zitôtywe-ke;

13 Woyongamela imisedare yase-Lebanon, emide ezinyusileyo, nemi-oki yonke yase-Bashan;

14 Nentaba zonke ezinde, nenduli zonke ezizinyusileyo;

15 Nenqaba zonke ezipâkamileyo, nendonga zonke ezinqatyisiweyo;

16 Nenqanawa zonke zase-Tarshishe, nento zonke ezibonakala zinqweneleka;

17 Kusibekeke ukuzidla kwababapântsi, kutôtywe ukuqânqalaza kwamadoda apâkamileyo; ngu-Yehova yedwa owoba yingxonde ngalomini;

18 Izitíxo zinge-ni zitî-shwaka zonke zipéla;

19 Bangene emiqolombéni yamawa naseminxunyeni yomhlaba ngenxa yokoyika u-Yehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakê, ekupâkameni kwakê ukuba angcangcazelise ilizwe.

20 Ngalomini umntu uya kuzipôsa ezintukwini nasemalulwaneni izitíxo zakê ezinge-ni ze-silvere, nezitíxo zakê ezinge-ni ze-golide, abamenzelayo ukuze aqubude kuzo;

21 Ukuze angene ezimfanteni zamawa nasemiqofweni yengxondofa ngenxa yokoyika u-Yehova, nangenxa yozuko lobungangamsha bakê, ekupâkameni kwakê ukuba angcangcazelise ilizwe.

22 Kânimyeke umntu ompêfumlo usematâtêni akê, ngokuba kutŵa uyinto-nina?

3 Ngokuba uyabona, i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, isusa e-Yerusalem nakwa-Yuda isixâso nenxaso, sonke isixâso sesonka kwa nesixâso samanzi;

2 Igofa nendoda yokulwa, umgwebi nom-profeti, umvumisi nendoda enkulu,

3 Umtêtêli wamashumi amahlanu, nobekekileyo, nompâkatî, nesilumko esinobuncibi, nengqondi yokukwitsa;

4 Ndibanike abatêtêli abangabantwana, nabafeketî babalaule;

5 Bakândanisane abantu ulowo nalowo, ulowo nalowa. Baya kuqwelana umntwana nendod' enkulu, ubuvuvu nabazukileyo.

6 Xa umntu aya kutî abambelele kumzalwana wakê endlwini kayise, atî, Unengubo wena, masipâtŵe nguwe, okukukâhleleka kube sesandleni sakô;

7 Wopîmisela ngalomini atî, Andingebe mpîlisi, endlwini yam kungekô sonka, kungekô ngubo, aninakundenza umpâtî wabantu.

8 Ngokuba ikâhlelekile i-Yerusalem, awile ama-Yuda; ngokuba ilwimi zabo nentlondi zabo zicâse u-Yehova, ukuba bawapîkise amehlo obuqaqauli bakê.

9 Imbônakalo yobuso babo iyanqîna ngabo, bayazixela izono zabo njenge-Sodom, abakânyeli. Yeha umpêfumlo wabo, ngokuba bezipêtê kakubi kwa bona.

10 Yitî kumalungisa, kuyakulunga kuwo; ngokuba isiqâmo sezenzo zawo aya kusidla.

11 Yeha ongendawo, kuyakuba kubi kuye; ngokuba ukupâtâ kwezandla zakê kuya kwenziwa kuye.

12 Abantu bam bakândaniswa ngabantwana, balaulwa ngabafazi. Bantu bam, abakôkeli benu ngabandwendwisi, bayigqukile indlela yomendo wenu.

13 Usuk'umile u-Yehova ukuba atêtê ityala; umi ukuba agwebe ebantwini.

14 U-Yehova uya kungena ematyaleni namadod' amakûlu abantu bakê, nabatêtêli babo; esitî, Ke nina nisigqibile isi-diliya; okupângiweyo kusizana kusezindlwini zenu.

15 Ninanina, ukuba nibatyumze-nje abantu bam, nibusile ubuso bentsizana, itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi.

16 Kananjalo uti-ke u-Yehova, Ngenx' enokuba zizidla intombî zase-Tsiyon, zihambâ zolule intamo, zitshaula ngamehlo, zihambâ zicotôza ukuhambâ kwazo, zisenza isagampe esisezinyaweni zazo:

17 Ngako oko I-Nkosi yolujadula ukakayi lwentombî zase-Tsiyon, u-Yehova azihlube ubunkazana bazo.

18 Ngalomini i-Nkosi yozisusa izihombô zemixokelelwane, nesanqawe, nentsimbî yomqala,

19 Namajikazi, newatsha, nezigqubutêlo,

20 Nembâsa, nenxaxâzo nenqwemesha, namahlala okujoja, namakûbalo,

21 Nemisesane, namakônco empumlo.

22 Nezambâtô ezinqabileyo, nengubo zokwaleka ezingapezulu, ne-tyali, nenxôwa zemali,

23 Nencwadi zokuzibona, neqiya ze-linen

Digitized by Google

entle, nenkontsho, nengubo zokwaleka ezifelefele;
24 Kutî esikûndleni sobulawu ibe kuvunda, esikûndleni sombînqo ibe yintambô, esikûndleni sempotè ibe yimpempetè, esikûndleni sengubo engwabungwabu ibe sikâka esifwexayo, ibe ngumtshiso esikûndleni sobunzwakazi.
25 Amadoda akô aya kuwa lifele, namagofa akô yimfazwe,
26 Ancwine enze isijwili amasango ayo, itî yona ikûtshululwe, ihlale pântsi emhlabeni.

4 Abafazi abasixênxe babambêlele ndodeni nye ngalomini, besitî; Sodla esetû isonka, sambâtê ezetû ingubo, kodwa masibizwe ngegafna lakô, ukususe ukungcikiveka kwetû.

2 Ngalomini isitôle sika-Yehova siya kuba yinto enobukâzikâzi enobuqaqauli, isiqâmo selizwe sibe yingangamsha nesihombô kwabasindileyo bakwa-Sirayeli;
3 Atî oshiyekileyo e-Tsiyon, noseleyo e-Yerusalem, kutîwe ungcwele; bonke ababâlelwe ebomini e-Yerusalem;
4 Ukuba itê i-Nkosi yakuhlambâ ukuncôla kwentombî zase-Tsiyon, yawahlanza amagazi ase-Yerusalem pâkatî kwayo ngomoya ogwebayo, nangomoya opêpêtâyo;
5 Adale-ke u-Yehova pêzu kwendawo zonke zentaba ze-Tsiyon, napêzu kwentlanganiso zayo, ilifu elingumsi emini, nokudangazela komlilo ebusuku; kuba pêzu kobuqaqauli-obo bonke kuya kubakô isigubungelo;
6 Ibe ngumnquba ongumtûnzi emini ekubaleleni, ibe yindawo yokuzimela nokusitéla esipângweni nasemvuleni.

5 Intânda yam makê ndiyivumele ingoma yentânda yam ngesi-diliya sayo. Intânda yam inesi-diliya endulini ecûmayo;
2 Yasigaba, yawembâ amatye, yasityala imi-diliya yohlobo, yakâ inyango pâkatî kwaso, yaxôla kuso umkômbê wokukongozela i-wayini, yalinda ukuba sivelise i-diliya ezizizo; ke sona savelisa i-diliya ezingezizo.
3 Kaloku-ke, bemi base-Yerusalem, nani madoda akwa-Yuda, kânahlule pâkatî kwam nesi-diliya sam.
4 Bekusekô nto-nina eyenziwayo esi-diliyeni sam, endingayenzanga-ke kuso? Bekunganina ukuba ndikulinde, ukuba sivelise i-diliya ezizizo, sisuke sivelise ezingezizo?
5 Kaloku-ke makê ndinazise into endiza kuyenza esi-diliyeni sam. Ndiza kususa utângo lwaso, sibe lidlelo; ndiya kulucîtâ udonga lwaso, sibe yingqushu;
6 Ndisijece kupêle; asiyi kutenwa, asiyi kuhlakulwa; siya kumila ubobo namakâkakâka; ndiwawisele umtêtô amafu, ukuba angani mvula pêzu kwaso.
7 Kuba isi-diliya sika-Yehova wemikôsi yindlu ka-Sirayeli; namadoda akwa-Yuda sityalo sokumyolisa; walinda ukuba kubekô okusesikweni, nanku ikukudywida; walinda ukuba kubekô ubulungisa, nanko ikukukâlisa.

8 Yeha abahlomela indlu kwindlu, abasondeza intsimi kwintsimi, kude kungabikô ndawo, nihlale nedwa pâkatî kwelizwe!
9 Ezindlebeni zam *utî* u-Yehova wemikôsi, Inyaniso, izindlu ezininzi ziya kuba ngamanxuwa, ezinkulu ezintle, zingabi namhlali.
10 Kuba ishumi lendima zesi-diliya liya kwenza i-bate ibe nye, ne-homere yembêwu yenze i-efa.

11 Yeha abavuka kusasa, besukela isiselo esinxilisayo; balibale kude kube luncwalazi, ibatshisa i-wayini!
12 Ibe luhadi nomfubê, ingqongqo nogwali, ne-wayini, emgidini wabo; ke wona umsebenzi ka-Yehova abawubêki, nezenzo zezandla zakê abaziboni.
13 Ngako oko abantu bam bayafuduswa bengazi, nabazukileyo kubo babe ngabafo bendlala, ingxokolo yabo itshiswa linxano.
14 Ngako oko elabafileyo lizandisile, lakame ngokunge namlinganiso, buhlile ubungangamela bayo, nengxokozelo yayo, nengxolo yayo, nabadlamkayo kuyo;
15 Basibekeke abantu abapântsi, atôtywe amadoda apâkamileyo, atôtywe amehlo abazidlayo;
16 Azipâkamise u-Yehova wemikôsi ngogwebo, azingcwalise u-Tixô Oyingcwele ngobulungisa;
17 Kudle imvana kunge kusedlelweni lazo; abasematânga badlise emanxuweni ezityebi.

18 Yeha abatsala ubugwenxa ngentambô

Digitized by Google

zenkohlakalo, nesono bange basitsala ngomqokozo wenqwelo;
19 Abatí, Makasinxâmise asikâulezise isenzo sakê, ukuze sibone; malisondele lize icebo l-Oyingcwele ka-Sirayeli, ukuze sazi!

20 Yeha abati okubi kulungile, okulungileyo kubi; abamisa ubumnyama endaweni yokukânya, ukukânya endaweni yobumnyama; abamisa uburaŕa endaweni yobumnandi, ubumnandi endaweni yoburaŕa!

21 Yeha abalumkileyo kwawabo amehlo, abanengqondo kokwabo ukubona!

22 Yeha abangamagoŕa okusela i-wayini; abangamadoda aŕotêle ukupîtikeza isiselo esinxilisayo;
23 Abagwebela abangendawo, besekeleze isicêngo; ubulungisa bamalungisa babususe kuwo!
24 Ngako oko njengokuba ulwimi lomlilo luzidla indiza, nesikôtâ esomileyo sibohla edangatyeni; kwangokunjalo ingcambû yabo iya kuba njengento evundileyo, nentyantyambô yabo inyuke njengotûli; kuba besilahlile isiyalo sika-Yehova wemikôsi, bayigiba intetô y-Oyingcwele ka-Sirayeli.

25 Ngenxa yoko uyavutâ umsindo ka-Yehova kubantu bakê, usolule pêzu kwabo isandla sakê, uyababetâ: zagungqa intaba, izidûmbû zabo zinjengenkunkuma pâkatí kwezi-trate. Kuko konke oko awubuyi umsindo wakê, isandla sakê sisolukile.
26 Uzinyusela i-banîle intlanga zakude, azenzele ikwelo ezipêlweni zomhlaba; nanzo zisiza zikâuleza ngamendu.
27 Akukô utŷafileyo, akukô ukûbekayo kuzo, azozeli, azilali, umbînqo wamanqe azo awutâkululeki, umtya wembâdada zazo awuqâuki;
28 Intolo zazo zitsolile nezapêta zazo zonke zityediwe; amanqina amahashe azo kutíwa anjengeqwîtâ, ne-vili zazo zinjengesaqwîti;
29 Ukubâfula kwazo kunjengokwengonyamakazi, zibâfula njengengonyama ezintsha, zigqume, ziyibambe inyamakazi, zimke nayo, kungabikô uhlangulayo;
30 Zigqume pêzu kwabo ngalomini ngatí kugquma kolwandle; babêke emhlabeni, nanko kumnyama imbândezelo, nokukânya kumnyama emafini pêzu kwabo.

6 Ngomnyaka wokufa kokumkani u-Uziya ndayibona i-Nkosi ihleli e-troneni ende enyukileyo; amasondo engubo zayo ezifolayo azalise i-tempile.
2 Kumi i-serafi pêzu kwayo, iyileyo inamapîko amatândatû, ngamabini ifihle ubuso bayo, ngamabini ifihle inyawo zayo, ngamabini ipâpâzela;
3 Iyileyo idanduluke kuleyo itî, Uyingcwele, uyingcwele, uyingcwele u-Yehova wemikôsi, buzalise umhlaba wonke ubuqaqauli bakê.
4 Yadidizela imigubasi yeminyango lizwi lowadandulukayo; yaye indlu ibizele ngumsi.
5 Ndatí, Ati-ke mna! ngokuba nditeshwaka ngokuba ndiyindoda emlomo uyinqambî; ndihleli pâkatí kwabantu abamilomo iyinqambî; ngokuba amehlo am abone u-Kumkani, u-Yehova wemikôsi.
6 Yapâpâzela yeza kum enye ye-serafi ipêtê ilahle elivutâyo, elitâbatê ngento yokubambâ umlilo esibingelelweni;
7 Yalifikisa emlonyeni wam, yati, Yabona elilahle lifikile-nje emlonyeni yakô, bususiwe ubugwenxa bakô, nesono sakô sicanyagushelwe.
8 Ndeva izwi le-Nkosi, lisitî, Ndotûma banina? ngubanina owosiyela? Ndatí, Ndikô, tûma mna.
9 Yatí, Yiya, utí kubo ababantu, Yivani ukuva oku niya kuva, ningaqondi; qiqani ukubona oku niya kubona, ningaqiqi.
10 Yityebise intliziyo yababantu, nendlebe zabo zenze zitî-nqi, namehlo abo uwavingce; hleze babone ngamehlo abo, beve ngendlebe zabo, baqonde ngentliziyo yabo, babuye, beze bapîliswe.
11 Ndatí, Kube mzuzu ungakananina, Nkosi? Yatí, Kude kuye kucitwa imizi ingabi nabemi, nezindlu zingabi namntu, utshabalale umhlaba kube senkangala;
12 U-Yehova amse kude umntu, abe maninzi amanxuwa pâkatí kwelizwe;
13 Kutí ukuba kusekô isahlulo seshumi kôna, sibuye naso sibe yinto yokutshayelwa; kutí njengomkôba nanjengomoki, otí ekuwisweni kwawo, kushiyeke isipûnzi; yimbêwu engcwele isipûnzi-eso.

Digitized by Google

7 Kekaloku, kwatĭ ngemihla ka-Ahazi unyana ka-Yotam, unyana ka-Uziya, ukumkani wakwa-Yuda, wenyuka u-Retsin ukumkani wama-Aram, no-Peka unyana ka-Remaliya, ukumkani wakwa-Sirayeli, weza e-Yerusalem, ukuba alwe nayo; akabi nakô-ke ukulwa nayo.

2 Kwaxelwa kwindlu ka-Davide, kwatĭwa, Ama-Aram atêlele kwabelakwa-Efrayim. Yadidizela intliziyo yakê nentliziyo yabantu bakê, njengokudidizela kwemitĭ yehlatĭ pâmbĭ komoya.

3 Watĭ u-Yehova ku-Yesaya, Kâupûme uye umkâulele u-Ahazi, wena no-Masalel'abuye unyana wakô, ekupêleni komjelo wecĭbi lasentla, emendweni ongasentsimini yomxovuli wengubo,

4 Utĭ kuye, Ngcinisa, uzole, ungoyiki, ingatambĭ intliziyo yakô ngenxa yezozikôndo zibini zezikûni eziqûmayo, ekuvutêni komsindo ka-Retsin nama-Aram, nonyana ka-Remaliya;

5 Ngenx' enokuba ama-Aram nama-Efrayim nonyana ka-Remaliya becebile ububi ngawe, besitĭ,

6 Masinyuke siye kwelakwa-Yuda, silĭruqule silinqike libe leletû, simise ukumkani pakati kwalo, unyana ka-Tabele.

7 Itsho i-Nkosi u-Yehova, ukutĭ, Lonto ayi kuma, ayi kubakô.

8 Ngokuba intloko yama-Aram yi-Damasko, intloko ye-Damasko ngu-Retsin; kuya kutĭ, iseyiminyaka emashumi matândatû anamihlanu, aqôtywe ama-Efrayim angabi bantu.

9 Intloko yama-Efrayim kukwa-Samari, intloko yakwa-Samari ngunyana ka-Remaliya. Ukuba nitê anakôlwa, inene, aniyi kuqiniseka.

10 Waqokela u-Yehova, watêtâ ku-Ahazi, esitĭ,

11 Zicelele umqondiso ku-Yehova u-Tĭxo wakô, cela ubêkise enzulwini kwelabafileyo, mhlaumbĭ ubêkise enyangweni pézulu.

12 Wati u-Ahazi, Andikucela, andikumlinga u-Yehova.

13 Watĭ yena, Kânive, ndlu ka-Davide, kuyinto encinane-na kuni ukudinisa abantu, ukuda oku nidinise no-Tĭxo wam?

14 Ngako oko iya kuninika umqondiso ngokwayo i-Nkosi: uyabona, intombĭ-le iya kumitâ, izale unyana, imtĭye igama elingu-Imanuweli.

15 Uya kudla amasi nobusi, ade akwazi ukulahla okubi, anyule okulungileyo;

16 Kuba engekakwazi umntwana lowo ukulahla okubi, anyule okulungileyo, woba selushiyiwe umhlaba, okumkani bawo babini bakuruqulayo.

17 U-Yehova uya kukuzisela wena nabantu bakô, nendlu kayihlo, imihla ekungazanga kubekô engangayo kususela kwimini wemka ngayo u-Efrayim kwa-Yuda; ngukumkani wakwa-Asuri ke-lowo.

18 Kutĭ ngalomini u-Yehova ayenzele ikwelo impukâne esekupêleni kwemijelo yom-Nayile wase-Yiputa, nenyosi esezweni lakwa-Asuri;

19 Zize, zipûmle zonke zipêla ezihlanjeni ezipâkatĭ kwamaxandeka, nasezimfanteni zengxondora, nasezintangweni zonke zemiqaqoba, nasemadlelweni onke.

20 Ngalomini i-Nkosi iya kuguya ngesitshetshe esiqeshiweyo selasezinxwemeni zom-Lambô, ngokumkani wakwa-Asuri, intloko noboya benyawo; sipêpête nendevu.

21 Kutĭ ngalomini umntu apîlise itôkazi lenkomo nemazi zezimvu zibe mbĭni;

22 Kutĭ ngokwehlisa kwazo kakûlu adle amasi; ngokuba baya kudla amasi nobusi bonke abo baseleyo pâkatĭ kwelizwe;

23 Kutĭ ngalomini zonke indawo ezazinewaka lemi-diliya elimelwe liwaka lesilvere, zibe zezobobo namakâkakâka.

24 Kuya kuyiwa kôna nentolo nezapêtâ; ngokuba lonke ilizwe liya kuba lubobo namakâkakâka.

25 Zonke intaba, ebezigatywa ngamagaba, akuyi kuya kuzo ngokoyika ubobo namakâkakâka, libe lelokugxotêla inkomo nokunyashwa zigusha.

8 Watĭ u-Yehova kum, Tâbatâ icwecwe elikûlu, ubâle kulo ngenxola yabantu, uti, ngo-Maxôba-ayakâuleza-intoezipângiweyo-zinxâmile.

2 Ndatâbatêla amanqĭna anyanisileyo o-Uriya umenzeleleli, no-Zekariya unyana ka-Yeberekiya.

3 Ndasondela kum-profetikazi, wamitâ, wazala unyana. Watĭ u-Yehova kum,

Digitized by Google

Yitî igama lakê ngu-Maxôba-ayakâuleza-into-ezipângiweyo-zinxâmile;
4 Ngokuba engekakwazi umntwana-lo u-kutî, Bawo, nokutî, Má, ubutyebi base-Damasko namaxôba akwa-Samari aya kutwâlelwa pâmbî kokumkani wakwa-Asuri.

5 Waqokela u-Yehova, wabuya watêtâ kum, esitî,
6 Ngenx' enokuba abobantu bewacekisa amanzi ase-Shilowa, la ahambâ kuhle, benze imihlali no-Retsin nonyana ka-Remaliya;
7 Ngako oko yabona, i-Nkosi inyusela pêzu kwakô amanzi om-Lambô, lawo anamandla amakûlu, kwa ukumkani wakwa-Asuri nobunzima bakê bonke, unyuke ube ngapêzulu kwemisele yawo yonke, uhambê ngapândle kwendonga zawo zonke,
8 Utyudisele kwelakwa-Yuda, ukûkule, udlule, ubetê emqaleni; kutî ukunaba kwamahlelo awo kuzalise ububanzi belizwe lakô, Imanuweli.

9 Bâvumani, zizwe, niqôtywe; bekani indlebe, nonke mimandla ikude yomhlaba; bînqani, niqôtywe; bînqani, niqôtywe.
10 Cebani icebo, lotshitsha; têtâni ilizwi, alikuma; ngokuba u-Tixo unatî;
11 Kuba utshilo u-Yehova kum, eseyisa ngamandla, enditêtîsa ukuba ndingahambî ngendlela yabobantu, ukutî,
12 Ize ningatî, Ikucetywa, into yonke abatî abobantu, Ikucetywa; nento eyoyikwa ngabo ningayoyiki, ningangcangcazeliswa yiyo.
13 U-Yehova wemikôsi ngewalisani yena nina, abe nguye enimoyikayo, abe nguye oningcangcazelisayo.
14 Woba yingewele *kuni;* ke yena uya kuba lilitye lokubetêka neliwa lokukûbeka kuzo zombîni izindlu zakwa-Sirayeli, abe sibatâ nomgibe kubemi base-Yerusalem;
15 Abaninzi kubo bakûbeke apô, bawe, bapûke, bafintyeleke, babanjiswe.

16 Bopâ isinqîno, tywina *uqinise* isiyalo kubafundi bam.
17 Ndilindele u-Yehova, lo ubusitêlisayo ubuso bake kwindlu ka-Yakobi, nditêmbêle kuye.
18 Yabona, mna nabantwana andinikileyo u-Yehova, singabemiqondiso nezimanga kwa-Sirayeli, ezivela ku-Yehova wemikôsi, ulohlala entabeni yase-Tsiyon.

19 Xa batê kuni, Quqelani kwabaneshologu nakosiyazi, abalozayo abadumzelayo, yitîni, Abantu mabangaquqeli ku-Tixo wabo yinina? ngenxa yabapîlileyo mabaquqele kwabafileyo-na?
20 *Bêkani* esiyalweni, esinqînweni! ukuba batê abatêtâ ngokwelolizwi, boba abanasifingo.
21 Baya kucanda kulo ilizwe begogotyelwe, belambîle; kutî-ke, xa batê balambâ, babe nobufalafume, batshabîse ukumkani wabo no-Tîxo wabo, babêke pêzulu;
22 Babêke emhlabeni, nanko kuyimbândezelo nobumnyama, betîwe-nciti yingcutêko, begxotelwe ositôkotôkweni.

9 Ngokuba akuyi kuhlala kutê-nciti kwelinengcutêko. Ngexesha lokuqala walicukuceza ilizwe lakwa-Zebulon nelizwe lakwa-Naftali; ngelakamva uya kuyizukisa indlela yaselwandle, pêsheya kwe-Yordan, ummandla wentlanga.[1]
2 Abantu abo bahambâ emnyameni babone ukukânya okukûlu; abemi basezweni letûnzi lokufa ukukânya kubengezele pêzu kwabo.
3 Uyalwandisa uhlanga, ulukûlisela uvuyo; bayavuya pâmbî kwakô njengokuvuya kwexa lokuvuna, njengokuvuyelela kwabo ekwabeni kwabo amaxôba.
4 Kuba i-dyokwe yomtwâlo wabo noswazi lwamagxa abo, intonga yomqûbi wabo uyapûle njengemini yakwa-Midiyan.
5 Ngokuba zonke izihlangu zabanyatela ngezihlangu ekungxoleni kokulwa, nengubo ezityikitywe emagazini, ezo ziya kutshiswa, zibe kukudla komlilo.
6 Ngokuba sizalelwe umntwana, sinikwe unyana; ukutêtêla kusesixântini sakê, igama lakê kutîwa ngu-Mangaliso, ngu-Mcebisi, ngu-Tîxo oligofa, ngu-Sonini-naninî, ngu-Mtêtêli woxolo.
7 Ukuba kwande ukutêtêla oko, kubekô uxolo olunge nakupêla e-troneni ka-Davide, nasebukumkanini bakê, ukuba bumiswe buxâswe ngokusesikweni nangobulungisa kususela koko kude kuse epâkadeni. Ikwêle lika-Yehova wemikôsi liya kukwenza oko.

8 I-Nkosi itûmela ilizwi kwa-Yakobi, liwa-ke kwa-Sirayeli;
9 Bonke-ke abantu bepêla bayakwazi, a-

[1] I-Galil.

Digitized by Google

ma-Efrayim nabemi belakwa-Samari, abatî ngeratshi nangobukûlu bentliziyo,

10 Izi-tena ziwile, siya kwakâ ngamatye aqingqiweyo; imitômbê ixakaxiwe, siya kuyimisela ngemi-sedare.

11 U-Yehova ubapâkamisile ababandezeli baka-Retsin pêzu kwakê, uzixôxile intshaba zakê;

12 Ama-Aram ngasempumalanga, nama-Filisti ngasentshonalanga, awadlile ama-Sirayeli ngomlomo wonke. Kuko konke oko awubuyi umsindo wakê; isandla sakê sisolukile.

13 Ababantu-ke ababuyeli kulowo ubabetîleyo, abamnxâmele u-Yehova wemikôsi.

14 Ngoko-ke usuke u-Yehova wanqumla ku-Sirayeli intloko nomsila, isebe lomtî wesundu nomzî ngamini nye.

15 Amadoda amakûlu nabafo ababekekileyo yintloko ke-leyo; aba-profeti abayala ngobuxoki ngumsila ke-lowo.

16 Abakôkeli bababantu basuke baba ngaba bandwendwisayo, nabakôkelwa ngabo basuke baba ngabaginyiweyo.

17 Ngenxa yoko i-Nkosi ayi kuvuya ngamadodana abo, ingabi namfesane ngenkedama zabo nabahlolokazi babo; ngokuba bonke bepêla bazintshembênxa nabenzi bobubi; yonke imilomo itêtâ ngobudenge. Kukô konke oko awubuyi umsindo wakê; isandla sake sisolukile.

18 Kuba okungendawo kutsha njengomlilo, kudla ubobo namakâkakâka, kufaka isikûni ezinrshinyeleni zehlatî, kunyuka njengomqulu womsi.

19 Ngokupûpûma komsindo ka-Yehova wemikôsi ilizwe liyatsha; abantu banjengokudla komlilo; umntu akamcongi umzalwana wakê;

20 Basike ngasekunene, balambê noko; badle ngasekôhlo, bangahluti noko; umntu adle inyama yengalo yakê;

21 U-Manase adle u-Efrayim, u-Efrayim adle u-Manase; bona bacâsane no-Yuda. Kuko konke oko awubuyi umsindo wake; sisolukile isandla sakê.

10 Yeha kubamisi bemimiselo yobutshinga, ababâli ababâla uxâmlo;

2 Ukuze bazisunduze izisweli zingafiki ematyaleni, bazihlute ibango lazo intsizana zabantu bam, ukuba abablolokazi babe lixôba labo, bapânge inkedama!

3 Niya kutî-nina-ke ngemini yovelelo nasesitôngeni esivela kude? Niya kusabela kubanina ukuba anincede, nilushiye pîna uzuko lwenu?

4 Akukô kumbî sekukukuguqa pâkatî kwabakônxiweyo, bawe pâkatî kwababuleweyo. Kuko konke oko awubuyi umsindo wakê, sisolukile isandla sake.

5 Yeha ku-Asuri, ntonga yomsindo wam, luswazi olusesandleni sakê ukubâvuma kwam!

6 Ndiya kumtûmela kuhlanga oluyintshembênxa ndimwisele umtêtô ngabantu bokupûpûma komsindo wam, ukuba atîmbê amaxôba, apânge okupângiweyo, abenze into yokunyatêlwa njengodaka lwezitrate.

7 Ke yena akabi kunjalo; intliziyo yakê ayicingi lonto; ngokuba okusentliziyweni yakê kukutshabalalisa nokunqumla intlanga ezinge mbalwa.

8 Kuba utî, Abatêtêli bam asingokumkani bonke-na?

9 I-Kaleno ayinjenge-Karkemishe-na, i-Hamati ayinjenge-Arpadi-na, owakwa-Samari awunjenge-Damasko-na?

10 Njengokuba isandla sam sazifumanayo izikumkani zezitîxo ezinge-ni; ukanti imifanekiso yazo eqingqiweyo ingapêzulu kweyase-Yerusalem neyakwa-Samari;

11 Andikutî-na, njengoko ndenza ngako kowakwa-Samari nezitîxo zawo ezinge-ni, ndenje njalo kwi-Yerusalem nezitîxo zayo?

12 Kuya kutî, xa itê i-Nkosi yazifeza izenzo zayo zonke entabeni yase-Tsiyon nase-Yerusalem, ndizivelele iziqâmo zobukûlu bentliziyo yokumkani wakwa-Asuri nokuqâyisa ngokuqwayinga kwamehlo akê.

13 Kuba etê, Ndenze ngamandla esandla sam nangobulumko bam; ngokuba ndinengqondo, ndayishenxisa imida yezizwe, ndazipânga impahla zazo, ndabahlisa njengenkunzi eyimbalasane abableli *ezi-troneni;*

14 Isandla sam sabufumana ubutyebi bezizwe njengendlu yentaka, ndalibutâ mna wonke umhlaba njengokubutâ amaqanda; akwabikô nanye ishukumisa ipîko neyakâmayo netswinayo.

15 Izembê lingamqâyisela-na ogaula ngalo? i-safa ingazikûlisa-na ngapêzu koyitsalayo? ngatî intonga ingajingisa ababâ-

Digitized by Google

kamisi bayo, ngatí uswazi lungapâkamisa onge nguwo umtí.

16 Ngako oko i-Nkosi, i-Nkosi yemikôsi, iya kubatûmela ukungcumbéka abatyebileyo bakê, napâkatí kobuqaqauli buka-Asuri, kutshe ukutsha njengokutsha komlilo;
17 Ukânyiso luka-Sirayeli lube ngumlilo, Oyingcwele wakê abe lilangatye, litshise lidle amakâkakâka akê nobobo lwakê ngamini nye;
18 Abupêlise ubuqaqauli behlatí lakê nobentsimi yakê ecûmayo etâbatêla empêfumlweni, ase enyameni; kube njengokungcungcutêka komntu ofayo;
19 Abe mbalwa amasalela emití yehlatí lakê, ibâlwe nangumntwana.

20 Kuya kutí ngalomini, angabi sapînda amasalela akwa-Sirayeli nabasindileyo bendlu ka-Yakobi, bayame ngobabetâyo; baya kwayama ngo-Yehova Oyingcwele ka-Sirayeli, benyanisile.
21 Amasalela aya kubuya, amasalela akwa-Yakobi, eze ku-Tixo oligofa.
22 Kuba nangona batê bangangentlabati yaselwandle abantu bakô, Sirayeli, kobuya amasalela odwa kubo; ukupêliswa kumisiwo kwagqitywa, kukûkula ubulungisa;
23 Ngokuba i-Nkosi u-Yehova wemikôsi iza kwenza impeliso iyemisiweyo-ke yagqitywa pâkatí komhlaba wonke.

24 Ngako oko itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, ukutí, Musan'ukumoyika u-Asuri, bantu bam bahleliyo e-Tsiyon, akunibetâ ngentonga, anipâkamisele uswazi lwakê ngohlobo lwama-Yiputa;
25 Kuba kusaya kuba mzuzwana mncinane, kupêle ukubâvuma kwam, nomsindo wam uye kumonakalisa;
26 Ajiwule pêzu kwakê u-Yehova wemikôsi izwiniya, njengoko wabetâ ama-Midiyan eweni lika-Orebe; intonga yakê ibe pêzu kolwandle, ayipâkamise ngohlobo lwama-Yiputa.
27 Kuya kutí ngalomini, usuke umtwalo wakê esixântini sakô, ne-lyokwe yakê entanyeni yakô, i-dyokwe yonakale kutyeba.

28 Ufikile e-Ayati, ucande e-Migron, uyibeke e-Mikimashe impahla yakê.
29 Baliwelile izibuko, batí, Masilalise e-Geba. Iyagubâ i-Rama, isabile i Gibeha yakwa-Saule.

30 Kâla ngezwi lako, ntombí yase-Galim! Baza mdlebe, Layisha! Anatoti.
31 I-Madema ibalekile; abemi base-Gebim basabisile intsapo zabo.
32 Umisa e-Nobe kwa namhla, ulingisa ngesandla sakê entabeni yentombí engu-Tsiyon, endulini yase-Yerusalem.

33 Yabona, i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, iyawatí-tyobotyobo amahlamvu ngokungcangcazelisayo, namade apêzulu axakaxwe, napâkamileyo atôtywe,
34 Ihlahle nentshinyela zehlatí ngesixengxe, iwisiwe i-Lebanon ngonamandla.

11 Kupûme igatya esipûnzini sika-Isayi, kuqâme Ihlumelo ezingcanjini zakê,
2 Uhle uhlale pêzu kwalo umoya ka-Yehova, umoya wobulumko nowengqondo, umoya wecebo nowobugofa, umoya wokwazi nowokoyika u-Yehova;
3 Ivumbâ elitôzamisayo kuye likukoyika u-Yehova, angagwebi ngokokubona kwamehlo akô, angohlwayi ngokokuva kwendlebe zakê;
4 Aligwebe ityala lezisweli ngobulungisa, abalungiselele abalulamileyo bomhlaba ngokutê-tye, awubetê umhlaba ngentonga yomlomo wakê, ambulale ongendawo ngomoya wemilebe yomlomo wakê;
5 Ibe bulungisa iqamesi lesinqe sakê, ibe yintembêko iqamesi lamanqe akê;
6 Incûka ihlale nemvana; ingwe ibutê netâkane-le-bôkwe; itôle lenkomo nengonyama entsha nenkomo etyetyisiweyo kubutê ndawo-nye; nomntwana aziqûbe ezonto;
7 Itôkazi lenkomo nemazi ye-bere ziya kudla utyani ndawo-nye, amankonyana azo abutê ndaweni nye; ingonyama idle umququ njengenkomo;
8 Adlale umntwana owanyayo emnxûnyeni wetambâ, olunyulweyo aso isandla sakê elukôzweni lweliso lika-nqinishe.
9 Ezonto aziyi kwenza bubi, aziyi konakalisa ezintabeni zam zonke ezingcwele; ngokuba ilizwe liyakuzala kukwazi u-Yehova, njengamanzi egubungele ulwandle.

10 Kuya kutí ngalomini, ihlumelo lika-Isayi, limele ukuba yi-banile yezizwe, intlanga ziquqele kuyo, nendawo yokupûmla kwayo ibe buqaqauli.

Digitized by Google

11 Kuya kutî ngalomini, i-Nkosi isipîndise okwesibini isandla sayo sokuwatênga siwakûlule amasalela abantu bakê, aya kusala kwa-Asuri, nase-Yiputa, nase-Patros, nakwa-Kushi, nakwa-Elam, nase-Shinare, nase-Hamati naseziqitini zolwandle,

12 Izinyusele i-banile intlanga, ibahlanganise abagxotîweyo bakwa-Sirayeli, izibutê intsali zakwa-Yuda emasondweni omane omhlaba.

13 Lisuke ikwelo lika-Efrayim, banqunyulwe ababandezeli baka-Yuda. U-Efrayim akayi kumkweletêla u-Yuda, u-Yuda angambandezeli u-Efrayim;

14 Bapâpâzele egxalabeni lama-Filisti, babêke ngasentshonalanga. Baya kudibana bapânge onyana basempumalanga, base isandla ko-Edom no-Mowabi; onyana baka-Amon babeve;

15 U-Yehova asisingele pântsi isibâxa solwandle lwase-Yiputa, alingise ngesandla sakê kuwo u-Mlambô ekuvutêni komoya wakê, awubetê ube yimilanjana esixênxe, abaweze benembâdada;

16 Kubekô umendo wamasalela abantu bakê, abaya kusala kwa-Asuri, njengoko kwaba njalo kuma-Sirayeli, mini anyuka epûma ezweni le-Yiputa.

12 Uya kutî wena ngalomini, Ndiyabulela kuwe, Yehova, ngokokuba ubundiqumbêle, waza wabuya umsindo wakô, wanditûtûzela wena.

2 Yabona, u-Tixo ukukusindiswa kwam; ndikôlosile, andinkwantyi; ngokokuba iqâyiya lam nengoma *yam* ngu-Ya, ngu-Yehova obuye waba lusindiso kum;

3 Ngoko-ke niya kukâ amanzi ninemihlali emitônjeni yosindiso.

4 Nitî ngalomini, Bulelani ku-Yehova, nqulani igama lakê, zaziseni ezizweni izenzo zakê, izenzo zakê ezincamisayo; likânkanyeni igama lake ukuba liyingxonde.

5 Mbetêleni uhadi u-Yehova; ngokuba enze ngobungangamsha; makwazeke oko ehlabatini lonke.

6 Tsholoza umemelele, wena mmi wase-Tsiyon; ngokuba emkûlu pâkatî kwakô Oyingcwele ka-Sirayeli.

13 Izihlabo ezisingisele kwi-Babeli, awazibonayo u-Yesaya, unyana ka-Amotsi.

2 Nyusani i-banile pêzu kwentaba eluqayi, bapâkamiseleni izwi; kôbani ngesandla, bangene emasangweni amanene.

3 Mna ndibawisele umtêtô abangcwalisiweyo bam, ndiwabizele umsindo wam amagofa am, abadlamkileyo bam beneratshi.

4 Yiveni ingxokolo ezintabeni injengeyabantu abaninzi. Yiveni ingxolo yezikumkani zentlanga zihlanganisene; u-Yehova wemikôsi uhlanganisa umkôsi wemfazwe,

5 Bavela ezweni elikude, ekupêleni kwamazulu,—ngu-Yehova nezixôbo zengqumbô yakê ukuba alonakalise ilizwe lonke.

6 Bômbôlozani, kuba isondele imini ka-Yehova, ivela ngokwembûqo ku-Somandla.

7 Ngenxa yoko ziwile ingalo zonke, zonke intliziyo zabantu zinyibilikile.

8 Bakwanqile, bafikelwe kupenapena nazinimbâ, bayazibijabija njengozalayo, bakwânqiswe, abakulumi, ubuso babo bubuso bamalangatye.

9 Yabona, imini ka-Yehova iyeza, inobujofa, ipûpûma umsindo, ishushu, ukuba ilenze libe senkangala ilizwe, ibatshabalalise aboni balo kulo.

10 Kuba inkwenkwezi zezulu namaroza alo akayi kukânyisa kukânya kwawo; liya kuba mnyama ilanga ekupûmeni kwalo, inyanga ingabi mhlope ukukânya kwayo;

11 Ndilivelele elimiweyo ngenxa yobubi, nabangendawo ngenxa yobugwenxa babo, ndilipêlise iratshi labakûkûmeleyo, ndilitôbele pântsi iratshi labangcangcazelisi;

12 Ndiwenze amadoda anqabe ngapêzu kwe-golide engcwengiweyo, noluntu lunqabe ngapêzu kwe-golide ecikizekileyo yakwa-Ofire.

13 Ngenxa yoko ndiya kuwagungqisa amazulu, nomhlaba unyikime, ushenxe endaweni yalo ngokupûpûma komsindo ka-Yehova wemikôsi, ngemini yokuvutâ komsindo wakê;

14 Kube-ke njengebâdikazi elisukeliswayo, nanjengomhlambî onge namhlanganisi, babêke elowo kubantu bakowabo, basabele elowo ezweni lakowabo.

15 Bonke abo bafunyenweyo baya kuhlatywa amahlanza, bonke abo babanjiweyo bawe lirele;

16 Zicunyuzwe intsana zabo pâmbî kwa-

Digitized by Google

mehlo abo, zipângwe izindlu zabo, balalwe abafazi babo.

17 Yabona, ndibaxôxêla ama-Medi angayibekiyo i-silvere, angayinanzileyo ne-golide;

18 Izapêta zawo zikâhlele amadodana, nesiqâmo sesizalo angabi namfesane siso, abantwana iliso lawo alikuba nanceba kubo.

19 I-Babeli, ikâzikâzi lezikumkani, isihombô seratshi lama-Kaledi ibe njengokubûkuqa kuka-Tixo i-Sodom ne-Gomora.

20 Ayi kumiwa napâkade, ayi kuze ihlalwe ezizukulwaneni ngezizukulwana, angagxumeki n-tente kôna nom-Arabi, nabalûsi bangakî kôna bûhlanti.

21 Abutê kôna namafamncwa omqwebedu, zizale izindlu zabo zihuluhulu, kuhlale inciniba kôna, kuqâkatê into eziinaxônti kôna;

22 Kulile impungutye ezingxandeni zabo ezinde, namaxwili emabôtweni okuxâmla ubuncwane; kusondele ukuza kwexesha layo, nemini yayo ingalîbali.

14 Ngokuba u-Yehova uya kuba nemfesane ku-Yakobi, abuye awanyule ama-Sirayeli, awahlalise emhlabeni wakowawo, batêlele kuwo abasemzini, bahlomele endlwini ka-Yakobi;

2 Ziwatâbatê izizwe, ziwazise endaweni yawo, bozifuye zona abendlu ka-Sirayeli emhlabeni ka-Yehova, zibe ngamakôboka namakôbokazana, babe ngabatîmbî babatîmbî babo, abe nobukosi kubaqûbi babo.

3 Kuya kutî, mini u-Yehova anipûmzayo ekwapûkeni kwenu, nasekugungqeni kwenu, nasekukônzeni okunzima, enakônziswa ngako,

4 Nihlabe lomzekeliso ngokumkani wase-Babeli, nitî, Utê-nina ukupêza umqûbi!

5 Ukupéza umzi otîsayo! U-Yehova ulwapûle uswazi lwabangendawo, intonga yabalauli,

6 Ebizibetâ izizwe ngokupûpûma komsindo, ngokubêta okunge nakupéza, ebizinyatêla ngomsindo intlanga ngokusukela okunge nakubanjezelwa.

7 Upûmle, uzolile umhlaba wonke, bagqabuke bamemelele.

8 Nayo imi-sipres ikuvuyele, imi-sedare yase-Lebanon itî, kuseloko walalayo, akunyuki mgauli usigaulayo.

9 Elabafileyo ngapantsi liyagungqa nguwe ngokubona ukuza kwakô; likuxôxêla izitûnzela, zonke inkunzi ezikôkelayo zomhlaba; lipâkamisa ezi-troneni zabo bonke okumkani bentlanga.

10 Zonke zipêla zasusela ngelitî kuwe, Nawe wenziwe ofayo njengatî, usuke wafana natî-na?

11 Buhliselwe kwelabafileyo ubunganga-msha bakô, isandi semifubê yakô; kwandlelwe impetû ngapântsi kwakô, akugubungele amanundu.

12 Utê-nina ukuwa .ezulwini, Kwezi, nyana wesifingo, ukunqûnyelwa uwe emhlabeni, mnqquli wentlanga!

13 Wena-ke watî entliziyweni yakô, Ndiya kulinyuka izulu, ndiyinyuse i-trone yam ibe ngapêzu kwenkwenkwezi zika-Tixo; ndihlale entabeni yentlanganiso, engontsini yase-Ntla.

14 Ndiya kunyuka ngapêzu kwezigânga zamafu, ndizifanise n-Osenyangweni;

15 Kanti uya kuhliselwa kwelabafileyo, engontsini yomhadi.

16 Abakubonayo baya kukutî-nzo ngamehlo, bakugqale, batî, Yiyo-na le indoda ebiwugungqisa umhlaba, ebizinyikimisa izikumkani?

17 Eyalenza intlango elimiweyo, yayigungxula imizi yalo; ayabavulela ababanjwa balo, bagoduke?

18 Bonke okumkani bentlanga, bonke bepêla balele benozuko, elowo endlwini yakê;

19 Ke wena ulahlelwe kude nencwaba lakô njengegatya elilisikizi, wambêtê ababuleweyo, abahlatywe ngerele, abahle baya ematyeni omhadi; njengesidûmbû esinyashwe ngenyawo.

20 Akuyi kubandakanywa nabo encwabeni, ngokokuba walonakalisayo ilizwe lakô, wababulala abantu bakô; ayi kuba nagama napâkade imbêwu yabenzi bobubi.

21 Onyana bakê balungiseleni ukusikwa ngenxa yobugwenxa boyise. Mabangesuki bawudle ilifa umhlaba, bazalise eliminweyo ngemizi.

22 Ndiya kusukela pêzulu kubo, utsho u-Yehova wemikôsi, i-Babeli ndinqumle ingabi nagama namasalela, nonyana nenzalo, utsho u-Yehova;

23 Ndiyenze ibe lilifa lokwalimanzi nezadunge zamanzi, ndiyitshayele ngomtshayelo wentshabalalo, utsho u-Yehova wemikôsi.

Digitized by Google

24 Ufungile u-Yehova wemikôsi, watí, Inyaniso, njengoko ndicinge ngako, koba njalo; njengoko ndicebe ngako, koma ngolohlobo;

25 Ukuba ndimapûle u-Asuri ezweni lam, ndimnyashe ngenyawo ezintabeni zam, isuke kubo i-dyokwe yakê, usuke úmtwalo wakê esixântini sabo.

26 Lilo elo icebo elicetyiweyo ngomhlaba wonke; siso eso isandla esolulweyo pêzu kwentlanga zonke;

27 Kuba u-Yehova wemikôsi ucebile, ngubanina onokutshitshisa? nesandla sakê eso solukile, ngubanina onokusibuyisa?

28 Ngomnyaka wokufa kokumkani ongu-Ahazi kwabakô ezizihlabo zití.

29 Mus'ukuvuyelela, wena Filisti upêla ngakuba yapûkile intonga ebikubetâ; kuba engcanjini yenyoka kupûma unqinishe, isiqâmo sayo sibe yinyoka etshisayo epâpâzelayo;

30 Badle abazisweli, abutê ekôlosile amahlwempu; ndibulale ingcambû yakô ngendlala, awabulale amasalela akô.

31 Bômbôloza, sango! kâla, mzi! yit' amandla, wena Filisti upêla, ngokuba e-Ntla kupûma umsi; akukô wahlukayo ebutweni lakê.

32 Batí-nina ukupêndula abatûnywa bentlanga? Batí, U-Yehova uyisekile i-Tsiyon, zizimele ngayo intsizana zabantu bakê.

15

Izihlabo ezisingisele ku-Mowabi.

Kuba ngobusuku i-Ari yakwa-Mowabi ibûqiwe, yadaka; kuba ngobusuku ibûqiwe i-Kire yakwa-Mowabi, yatí-shwaka.

2 Banyuka baya endlwini nase-Dibon, ezigângeni, besiya kulila; pêzu kwe-Nebo napêzu kwe-Medeba u-Mowabi uyabômbôloza; zonke intloko zicêtyiwe, zonke indevu ziguyiwe.

3 Ezi-trateni zakê babînqa eziwexayo; pêzu kwezindlu zakôna, nasezindaweni zembûtô zakôna, bonke bepêla bayabômbôloza, besití-ngxa inyembêzi.

4 Iyakâla i-Heshbon ne-Elale, lide lakuvakala nase-Yahazi izwi labo, ngenxa yoko abaxôbileyo bakwa-Mowabi benza isijwili, umpêfumlo wabo uyajijitêka kubo.

5 Intliziyo yam iyakâla ngokubona u-Mowabi, omivalo ide yesa e-Tsohare elitôkazi elilizibulekazi; kuba banyuka eqineni lase-Luhiti, belila; kuba endleleni yase-Horonayim bekâliswa kukwapûlwa kwabo;

6 Kuba amanzi ase-Nimrim atê-qoko; kuba bubunile utyani, lupêlile uhlaza, awukô umfuno.

7 Ngenxa yoko intwana ebisele, ababeyenzile, ababeyiqwebile, bayayitwala bayiweze esihlanjeni semincûluba.

8 Kuba isikâlo siwuzungulezile umda wakwa-Mowabi; kwesa e-Eglayim, kuviwa ukubômbôloza kwakê, nase-Bere-elim ukubômbôloza kwakê.

9 Kuba amanzi ase-Dimon azele ligazi; ngokuba i-Dimon ndiyimisela ezinye izinto ezimbí; abasindileyo bakwa-Mowabi nabaseleyo emhlabeni *ndibamisele* ingonyama.

16

Tûmelani imvana kumlauli welizwe, zivele e-Sela, zibêke entlango, ziye entabeni yentombí u-Tsiyon.

2 Kuba njengentaka ezipêkuziweyo, njengendlu yentaka esuselweyo aya kuba njalo amagxamesi akwa-Mowabi emazibukweni ase-Arnon, esití,

3 Sipê iqínga, yahlula; misa isitûnzi sakô sibe njengobusuku emini enkulu; fihla abagxotíweyo, mus'ukumncceteza obadubadulayo.

4 Mabapâmbûkele kuwe abagxotíweyo bam; ku-Mowabi ube lisitê kubo pâmbí kombûqi; ngokuba umkamangi ugqibele, umbûqi upêlile, abanyashi batshatyalalisiwe ezweni.

5 Kuzinziswe i-trone ngenceba, kuhlale pêzu kwayo enenyaniso en-tenteni ka-Davide umgwebi okâtâlele okusesikweni, okâulezayo ukulungisa.

6 Silivile iratshi lika-Mowabi iratshi elikûlu. Hayi ukuratsha kwakê! Hayi iratshi lakê nokupûpûma komsindo wakê, ukupololoza kwakê into engeyiyo.

7 Ngako oko u-Mowabi uya kubômbôloza ngenxa ka-Mowabi; bonke bepêla baya kubômbôloza; niya kunkwinizela izicumbâ ze-rasintyisi zase-Kir-hareshete, nitê-dakumbâ kanye.

8 Kuba amasimi ase-Heshbon antshwenyile, um-diliya wase-Sibema. Abantu bentlanga bazivitâ i-diliya zawo zohlobo; bezide zaya kufika e-Yazere, zanabela e-

Digitized by Google

ntlango, amasebe awo anaba ada awela ulwandle.

9 Ngenxa yoko ndiyawulilela ngokulila kwe-Yazere um-diliya wase-Sibema; ndikunyakamisa ngenyembézi zam, Heshbon, nawe Elale, ngokuba ukuvunwa kweziqâmo zakô nokuvunwa kwe-diliya zakô kufikelwe ngamayéyéyé.

10 Isukile imivuyo nemigcobo entsimini ecûmayo; akusamemelelwa ezi-diliyeni, akusadunywa nokudunywa; umxovuli akasaxovuli ne-wayini emkômbêni; ndiwapêlisile amayéyéyé.

11 Ngenxa yoko izibilini zam ziyahlokoma njengohadi ngo-Mowabi, nento epâkatî kwam nge-Kir-heres.

12 Kuya kutî, xa atê wabonakala, xa atê wazidinisa u-Mowabi esigângeni, wangena engcweleni yakê ukuba atândaze, angabi nakutî-ni.

13 Lilo elo ilizwi, awalitêtâyo u-Yehova ngo-Mowabi kwanini.

14 Kaloku-ke u-Yehova utêtâ, esitî, Ngeminyaka emitâtû, njengeminyaka yomqeshwa, buya kucukucezwa ubuqaqauli buka-Mowabi nalongxokolo yonke eninzi, amasalelela abe mancinane abe mbalwa, angabi makûlu.

17 Izihlabo ezisingisele kwi-Damasko.

Yabona, i-Damasko iya kususwa ekubeni ngumzi, ibe ngumwewe owileyo.

2 Ishiyiwe imizi yase-Arohere, iya kuba yeyemihlambî, ibutê, kungabikô uyitûsayo;

3 Ipêliswe inqaba kwa-Efrayim nobukumkani kwi-Damasko, amasalela ama-Aram abe njengobuqaqauli bonyana baka-Sirayeli, utsho u-Yehova wemikôsi.

4 Kuya kutî ngalomini, busweleke ubuqaqauli buka-Yakobi, ingcumbeke inyama yakê êtyebileyo.

5 Kube njengomvuni ehlanganisa inqôlowa emiyo, ingalo yakê isika izikwebu, kube njengobîkica izikwebu esihlanjeni sama-Rafa;

6 Kusale okubîkicwayo kôna, njengasekuvutûlulweni komnquma; amabûmbûlu abe mabini namatâtû emancamini pêzulu, abe mane namahlanu ezimbâxeni zawo umtî oneziqâmo, utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli.

7 Ngalomini umntu uyakondela ku-Menzi wakê, amehlo akê akangele k-Oyingcwele ka-Sirayeli,

8 Anganoneleli izibingelelo, izenzo zezandla zakê, angakângeli into eyenziwa yiminwe yakê, no-Ashera nezitîxo zelanga.

9 Ngalomini imizi yakê enqabileyo iya kuba ngamanxuwa asezintshinyeleni zehlati, nawasezincotsheni zentaba, abawashiyayo pâmbî konyana baka-Sirayeli, koba senkangala.

10 Ngokokuba umlibele u-Tîxo umsindisi wakô, akwalikûmbûla neliwa lokunqaba kwakô; ngenxa yoko watyala izityalo ezimnandi, wamilisela kuzo intswazi zomdiliya wasemzini.

11 Ngemini yokutyala kwakô wawubiyela, kusasa wayityatyambîsa imbêwu yakô—sisitâ sokwindla eso ngemini yesifo nomvandedwa obulalayo.

12 Yeha ukuguguma kwezizwe ezininzi, ziguguma njengokuguguma kwelwandle! Yeha ukungxola kwezizwe, zingxola njengokungxola kwamanzi anamandla!

13 Izizwe zingxola njengokungxola kwamanzi amaninzi; ke u-Tîxo wozikâlimela, zisabe ziye kude, zisukelwe njengomququ wentaba pâmbî komoya, njengefukufuku lotûli pâmbî kwesaqwiti.

14 Ngexa langokuhlwa—nanko zikwanqile; kungekasi, azikô. Siso eso isahlulo sabasidywidayo nelifa labasipângayo.

18 Yeha-ke kwilizwe lenzwinini yamapîko, elipêsheya kwemilambô yakwa-Kushi;

2 Elitûma izigidimi ngolwandle, ngemikômbê yemikânzi pêzu kwamanzi. *Nditi*, Hambâni, batûnywa banamendu, niye kuhlanga olude olugudileyo, kubantu aboyikekayo ngapâ nangapâ, kuhlanga olumitétô inzima, olugqushayo, olulizwe licandacandwe yimilambô!

3 Nonke bemi belimiweyo, nani bahleli emhlabeni, xa kutê kwenyuka i-banile ezintabeni, kângelani; xa kutê kwavutêlwa isigodlo, yivani.

4 Ngokuba utshilo u-Yehova kum ukutî, Ndiya kuzola, ndibonele ndisendaweni yam; kufudumele, lisile, likô ilanga, kukô ilifu lombetê ekufudumaleni ngexa lokuvuna.

5 Kuba pâmbî kokuvuna, akugqibela u-

Digitized by Google

kupûma amatûpâ, intyantyambô yakuba yi-diliya emuncu: uya kuwanqumla amasebe ngesitshetshe, awasuse awavikive anabayo.

6 Onke aya kushiywa abe ngawamaxâlanga entaba, abe ngawamafamncwa elizwe; amaxâlanga adlulise ihlobo pêzu kwawo, onke amafamncwa elizwe adlulise ubusika pêzu kwawo.

7 Ngeloxesha kuya kusiwa ku-Yehova wemikôsi isitâbatâba, abantu abade abagudileyo, bepûma kubantu aboyikekayo abangapâ nangapâ; kuhlanga olumitêtô inzima, olugqushayo, olulizwe licandacandwe yimilambô, sisiwe endaweni yegama lika-Yehova wemikôsi, entabeni yase-Tsiyon.

19 Izihlabo ezisingisele kwi-Yiputa.

Bona-ke u-Yehova ekwele efini elinamendu, uza e-Yiputa; ziya kudidizela izitîxo ezinge-nto zase-Yiputa pâmbî kwakê, intliziyo ye-Yiputa inyibilike pâkatî kwayo.

2 Ama-Yiputa ndiwaxôkonxele kwama-Yiputa, alwe elowo nomzalwana wakê, elowo nowabo, umzi nomzi, ubukumkani nobukumkani;

3 Utîwe-qongqololo umoya wama-Yiputa pâkatî kwawo; ndiliginye icebo lawo, aquqele kwizitîxo ezinge-nto, nakwabadumzelayo, nakwabaneshologu, nakosiyazi;

4 Ndiwavingcele ama-Yiputa ngesandla senkosi esilukûni, alaulwe ngokumkani onencwangu, itsho i-Nkosi u-Yehova wemikôsi.

5 Aya kutî-qoko amanzi aselwandle, utshe wome umlambô,

6 Zinuke izibâxa zawo, iwute itshe imijelo yom-Nayile wase-Yiputa, zishwabane ingcongolo nemikânzi.

7 Intili ezingakum-Nayile, ngasecwebeni lom-Nayile, nento yonke ehlwayelweyo iya koma, ipêtshetwe ingabikô;

8 Bancwine ababambîsi bentlanzi, bambâmbâzele bonke abapôsa iqeŕu em-Nayileni, batî-matshamatsha abaneka umnatâ pêzu kwamanzi;

9 Badane abasebenzi be-filakisi ecâzwayo nabaluki be-linen emhlope;

10 Zitîwe-vitîvitî intsika zalo, ube buhlungu umpêfumlo wabo bonke abasebenzela umvuzo.

11 Bazimatâne zodwa abatêtêli base-Tsohan, amapâkatî alumkileyo ka-Faro, icebo *labo* libutŷakala. Ningatî-nina ukutî ku-Faro, Ndingunyana wezilumko, ndingunyana wokumkani bamandulo?

12 Zipîna, zipîna-ke izilumko zakô? zikuxelele kaloku, ziyazi into ayicebileyo u-Yehova wemikôsi nge-Yiputa.

13 Bazimatâne abatêtêli base-Tsohan, balukuhliwe abatêtêli base-Nofu, bayilahlekisile i-Yiputa abayimbômbô yezizwe zayo.

14 U-Yehova utûlulele embilini wayo umoya wobugwenxa, ukuba bayilahlekise i-Yiputa ekwenzeni kwayo konke, njengokugxadalazela kwenxila emhlanzweni walo;

15 I-Yiputa ingabi nasenzo isenzayo intloko kwa nomsila, isebe lesundu nomzî *womlambô*.

16 Ngalomini ama-Yiputa aya kuba njengabafazi agubê, ankwantye pâmbî kokulingisa ngesandla kuka-Yehova wemikôsi, alingisa ngaso kuwo;

17 Umhlaba wakwa-Yuda uyixâlabise i-Yiputa; atî otê wawukânkanye kuyo, ankwantye, ngenxa yecebo lika-Yehova wemikôsi, alicebileyo ngayo.

18 Ngalomini imizi emihlanu ezweni lama-Yiputa iya kutêtâ intetô yelakwa-Kanan, ifunge u-Yehova wemikôsi; omnye kuya kutîwa yi-Ir-heres.

19 Ngalomini kuya kubakô isibingelelo ku-Yehova pâkatî kwelizwe lama-Yiputa, nelitye elimisiweyo ku-Yehova ngasemdeni walo;

20 Oko kube ngumqondiso nobunqîna ku-Yehova wemikôsi ezweni lama-Yiputa; xa atê akâla ku-Yehova ngenxa yabaxinezeli bawo, wowatûmela umsindisi nomtêtêleli awahlangule;

21 U-Yehova azazise kuma-Yiputa, amazi u-Yehova ama-Yiputa ngalomini, amkônze ngemibingelelo nangeminikelo yokudla; abâmbâtîse ngezibâmbâtîso ku-Yehova azizalise;

22 U-Yehova awabetê ama-Yiputa, ebetâ epîlisa; abuyele ku-Yehova, yena atândazeke ngawo, awapîlise.

23 Ngalomini kuya kubakô umendo opûma e-Yiputa, oya kwa-Asuri, eze ama-Asuri e-Yiputa; ama-Yiputa aye kwa-

Digitized by Google

Asuri, akônze u-Yehova ama-Yiputa kunye nama-Asuri.

24 Ngalomini ama-Sirayeli aya kuba sisahlulo sesitâtû kuma-Yiputa nakuma-Asuri, eyintsikelelo pâkatî komhlaba;
25 Ewasikelela u-Yehova wemikósi, esitî, Nisikelelwe, ma-Yiputa bantu bam; ma-Asuri, msebenzi wezandla zam; ma-Sirayeli lifa lam.

20 Ngomnyaka wokuza kuka-Tartan e-Ashdode, etûnywe ngu-Sargon, ukumkani wakwa-Asuri, (walwa ne-Ashdode, wayitîmbâ);
2 Ngeloxesha watêtâ u-Yehova ngo-Yesaya unyana ka-Amotsi, esitî, Yiya ukûlule ingubo efwexayo emanqeni akô, uzikûlule imbâdada ezinyaweni zakô. Wenje njalo-ke, wahambâ zé, enge nazo nembâdada.
3 Watî-ke u-Yehova, Njengokuba isicaka sam u-Yesaya sihambé-zé, singe nambâdada iminyaka emitâtû, sangumqondiso nesimanga kwi-Yiputa nakwa-Kushi:
4 Uya kwenje njalo ukumkani wakwa-Asuri ukubaqûba abatînjiweyo base-Yiputa nabafudusiweyo bakwa-Kushi, abantwana namadoda amakûlu, bezé, benge nambâdada, behambâ ngempundu, into leyo ezintloni kwi-Yiputa;
5 Baya kuqîpuka umbilini badane ngu-Kushi inqolonci yabo, nali-Yiputa iqâyiya labo;
6 Batî-ke abemi bolonxweme ngalomini, Yabonani, inje inqolonci yetû, esasabela kuyo ukuba sincedwe, sihlangulwe kukumkani wakwa-Asuri; singatî-nina-ke ukusinda tîna?

21 Izihlabo ezisingisele kwintlango yaselwandle.

Njengezaqwîti zase-Zantsi zikûkûla, kupûma into entlango, ezweni eloyikekayo.
2 Ndiboniswe umbono olukûni; inginingini linginiza, umbûqi ebûqa. Nyuka, Elam; ngqinga, Madayi; ukuncwina kwabo konke ndiyakupêlisa.
3 Ngenxa yoko nzele amanqe am kukuzibijabija, inimbâ zindifikele njengenimbâ yozalayo: ndiyapenapena andiva; ndikwanqile andiboni.
4 Intliziyo yam iyadinga, ukududuzela kundidandatekisile; uncwalazi, into endiyilangazelelayo, ulwenze into endigubîsayo.
5 Kulungiswa isitebe, kuboniselwa umboniselo, kuyadliwa, kuyaselwa;—vukani, batêtêli, tâmbîsani ingweletshetshe.
6 Ngokuba itsho kum i-Nkosi, ukutî, Yiya umise umboniseli, atî akubona into aze kuyixela.
7 Wabona umkôko wabakwêli; abamahashe bengababini, nabakwêli bama-esile nabakwêli ben-kamela, wabaza indlebe, wazibaza kakûlu kunene.
8 Wadanduluka ngelengonyama, esitî, Nkosi, kususela koko ndimi embôniselweni emini, ndizimisile esigxineni sam ubusuku ngobusuku.
9 Ke, yabona, kweza umkôko wamadoda, abamahashe bengababini. Wasusela watî, Iwile, iwile i-Babeli; yonke imifanekiso eqingqiweyo yotîxo bayo uyapûlele emhlabeni.
10 Wena nto yam ebuliweyo, nqolowa yesanda sam, endikuvileyo ku-Yehova wemikósi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ndikuxelile kuni.

11 Izihlabo ezisingisele kotê-cwaka.

Omemeza kum ekwelakwa-Sehire, utî, Mlindi, kuxa lipî-na ebusuku? mlindi, kuxa lipî-na ebusuku?
12 Utî umlindi, Kuyeza ukusa, kwa nobusuku. Ukuba niyabuza, buzani; buyani, yizani.

13 Izihlabo ezisingisele kwelase-Arabi.

Kwelase-Arabi niya kulalisa emxawukeni, nina mikôko yama-Dedan.
14 Baziseleni amanzi abanxaniweyo. Nina bemi bakwa-Tema nibakâulele ngesonka abapâlapâlayo.
15 Ngokuba bepâlapâliswa ngamarele, amarele atîwe-rutû, nesapetâ esityediweyo, nemfazwe enzima.
16 Ngokuba i-Nkosi itshilo kum, ukutî, Kwakulomnyaka njengeminyaka yemqeshwa, buya kupêla ubuqaqauli bonke bakwa-Kedare;
17 Abe mbalwa amasalela enani lezapetâ zamagofa onyana baka-Kedare; ngokuba u-Yehova u-Tîxo ka-Sirayeli etêtîle.

22 Izihlabo ezisingisele **kumfula wombono.**

Digitized by Google

Ukôlose nganto-nina kaloku, lento unyukileyo waya pèzu kwezindlu wonke upèla?

2 Wena uzeleyo kungxola, wena mzi uxokozelayo, wena nqaba ivuyelelayo; ababuleweyo bakô ababulawanga lirele, abafanga ngemfazwe.

3 Bonke abapâtî bakô babaleka kunye, bakônxwe kungabangakô sapetâ; bonke abafunyanwa kuwe bakônxwa kunye ekubalekeleni kwabo kude.

4 Ngenxa yoko ndatî, Susani amehlo kum, ndikwenze kube ŕaŕa ukulila kwam; musan' ukundizama ngokunditûtûzela ngenxa yokubûqwa kwentombî yabantu bakowetû.

5 Ngokuba ifikelwe ngumhla wokudungwadungwa, wokugqushwa, wokuqungaqungwa yi-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, emfuleni wombono; wokuwiselwa pantsi indonga, wokuzibika ezintabeni.

6 Ama-Elam aqubule umpôngolo, enenqwelo zokulwa ezinamadoda nabamahashe; ama-Kiri ahlube ingweletshetshe.

7 Zatî-ke intili zakô ezintle zazala zinqwelo zokulwa; batî abamahashe bamisa bemisile esangweni.

8 Wosibênqa isigqubutêlo sakwa-Yuda; waza wena ngalomini wabêka esiŕweqeni sendlu yehlatî;

9 Nazibona intânda zomzi ka-Davide ukuba ninzi, nahlanganisa amanzi ecîbi lasezantsi;

10 Izindlu zase-Yerusalem nazibala, nazidiliza izindlu, ukuze ninqabise udonga.

11 Nenza isigingqi samanzi ecîbi elidala pâkatî kwendonga zombîni, anakângela kumenzi walento, anambêka owayibumbâyo kwakudala.

12 I-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, ngalomini yabizela ekulileni, nasekumbâmbâzeleni, nasèkucêbeni intloko, nasekubînqeni ingubo eziŕwexayo;

13 Kanti kusuke kwayimihlali nemivuyo, kusoselwa inkomo, kuxêlwa igusha, kudliwa inyama, kuselwa i-wayini, kudliwe, kuselwe, kuba kusitŕwa, Ngomso soba sesifile.

14 U-Yehova wemikôsi wazitŷila ngokwakê ezindlebeni zam, watî, Nento, ukuba nokâ nicanyagushelwe obobugwenxa nide nife, itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi.

15 Yatsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, ukutî, Hambâ uye kwelagosa, ku-Shebena umpâtî wendlu, utî,

16 Unanto-nina apâ, unabanina apâ, ukuba-nje uzixôlele incŵaba apâ, njengoxôla incŵaba lakê pèzulu, eziŕolela ikâya engxondoŕeni?

17 Yabona, u-Yehova uya kukudandalazisa ngokudandalazisa kwendoda, akuxâkamfule akuqinise.

18 Uya kukutândela akutôndele, ube yinto yokunqakulisa; imbûmbulu esinga ezweni elibanzi ngenxa zombîni; uya kufela apô, zibe lapô inqwelo zobuqaqauli bakô, wena hlazo lendlu yenkosi yakô;

19 Ndikuguzule usuke ebugoseni bakô, akugungxule ebumeni bakô.

20 Kuya kutî ngalomini, ndibize isicaka sam u-Eliyakim unyana ka-Hilekiya,

21 Ndimambâtîse ingubo zakô zangapântsi, ndimbopê ngombînqo wakô, ndimnikele esandleni ulaulo lwakô, abe nguyise wabemi base-Yerusalem nowabendlu ka-Yuda;

22 Ndisibeke isitshixo sendlu ka-Davide esixântini sakê, avule kungabikô uvalayo, avale kungabikô uvulayo;

23 Ndimbetêlele abe sisikônkwane endaweni eqinileyo; abe yi-trone yozuko kwindlu kayise;

24 Babuxôme kuye bonke ubunzima bendlu kayise, amagatya nempâkatâ, yonke impahla encinane, kutâbatêle empahleni ezizidendeleko, kuse empahleni yonke eyimipânda.

25 Ngalomini, utsho u-Yehova wemikôsi, siya kususwa isikônkwane, eso sibetêlwe endaweni eqinileyo, sixakaxwe, siwe, unqanyulwe umtŵalo opèzu kwaso; ngokuba u-Yehova etêtile.

23

Izihlabo ezisingisele kwi-Tire.

Bômbôlozani, nina zinqanawa ziya e-Tarshishe, ngokuba ibûqiwe, akwabikô ndlu, akwabikô kungena. Bakutŷilelwe ezweni lama-Kiti.

2 Yitînî-cwaka, bemi bonxweme; wena, abaŕwebi base-Tsidon, abawela ulwandle, babetê bakuzalisa.

3 Yayisemanzini amakûlu imbêwu yase-Sihore, ukuvuna kom-Nayile kwaba lungeniselo kuyo; yaba yindawo yokuŕweba kwentlanga.

4 Dana, Tsidon; kuba lutêtîle ulwandle, inqaba yolwandle, lwatî, Andizibijabija-

Digitized by Google

nga, andizalanga, andikûlisanga mlisela, andondlanga mtînjana.

5 Lotî lwakut'ukut'ukufika oludaba e-Yiputa, basuke bazibijabije ngodaba olunge-Tire.

6 Welelani niye e-Tareshishe; bômbôlozani, bemi bonxweme.

7 Kunje-na kuwe, wena mvuyeleli, ukuvela kwakô kukô kwasemihleni yamandulo, unyawo zakô zakusa kude, ukuba uye kuma?

8 Ngubanina lo ucebe lento nge-Tire, ngomzi otŵesa ngezitsaba, obafwebi bawo bangabatêtêli, obatêngeli bawo bangabazukileyo bomhlaba?

9 Icetywe ngu-Yehova wemikôsi, ukuba ancôlise ubungangamsha bamakâzikâzi onke, ukuba acukuceze bonke abazukileyo bomhlaba.

10 Canda kulo ilizwe lakowenu njèngom-Nayile, ntombî u-Tareshishe; akusekô luqwemesha lukuxinileyo.

11 Isandla sakê usolulele pêzu kolwandle, ugungqise izikumkani. U-Yehova uwise umtêtô ngelakwa-Kanan wokutshabalalisa inqaba zalo.

12 Watî, Akuyi kuba sabuye udlamke, nkazana edlwengulweyo, ntombî u-Tsidon. Suk'ume, wela kuma-Kiti, nalapô akuyi kuba nakupûmla.

13 Yabona ilizwe lama-Kaledi; ngabantu ababengekô, (ama-Asuri abamisela, ukuba babe ngabomqwebedu,) bamise imbôniselo zabo, bezinqika ingxande zayo ezinde, beyenza umwewe.

14 Bômbôlozani, zinqanawa ziya e-Tareshishe, ngokuba ibûqiwe inqaba yenu.

15 Kuya kutî ngalomini, ilityalwe i-Tire iminyaka engamashumi asixênxe njengemihla yokumkani omnye. Ekupêleni kweminyaka engamashumi asixênxe kuya kwenzeka kwi-Tire ngokwengoma yehenyukazi, etî,

16 Tâbatâ uhadi uwujikajike umzi, henyukazi lilityelweyo; betâ kamnandi; vuma ingoma ezininzi, ukuze ukûnjulwe.

17 Kuya kutî ekupêleni kweminyaka emashumi asixênxe, ayivelele i-Tire u-Yehova, ibuyele elutsheqweni lwayo, ihenyuzane nezikumkani zonke zehlabati ezipêzu komhlaba;

18 Lube ngewele ku-Yehova ufwebo lwayo notsheqo lwayo; alukubekwa, alukuqwetywa; kuba ufwebo lwayo luya kuba lolwababhleli pâmbî ko-Yehova, ukuze badle bahlute, nokuze bambâtê ngokobunene.

24 Yabona, u-Yehova utî-qongqololo umhlaba uwenza amagqagala, uyabupêtûla ubuso bawo, uyabacîtâcîtâ abemi bawo;

2 Babe mfani-nye abantu nabenzeleleli, libe mfani-nye ikôboka nenkosi yalo, libe mfani-nye ikôbokazana nenkosikazi yalo, abe mfani-nye otêngayo notêngisayo, abe mfani-nye obolekayo nobolekwayo, abe mfani-nye umniki-mali nowamkeli-mali.

3 Umhlaba utîwe-qongqololo ngakunye, lipângwe lipângiwe; kuba u-Yehova elitêtîle elozwi.

4 Umhlaba wenza isijwili, libunile; lintshwenyile libunile elimiweyo, batê-matshamatsha abapâkamileyo ebantwini bomhlaba.

5 Umhlaba uhlanjelwe ngapântsi kwabemi balo; ngokokuba beyigqitile imiyalelo, badlula emimiselweni, bawapûla umnqopiso ongunapâkade.

6 Ngenxa yoko udliwe umhlaba kukuqalekiswa, batŵala ityala abemiyo kuwo; ngenxa yoko bapânzile abemi bomhlaba, kwasala abantu abambalwa.

7 Yenza isijwili i-wayini entsha, untshwenyile um-diliya, bayancwina bonke abantliziyo inemivuyo.

8 Ipêlile imihlali yengqongqo; iyekile ingxokozelo yabadlamkileyo, ipêlile imihlali yohadi.

9 Abayi kusela i-wayini benengoma; sîraŕa isiselo esinxilisayo kwabasiselayo.

10 Uqêkekile umzi osenyanyeni, zivalekile zonke izindlu ukuba zingangenwa muntu.

11 Bakâla nge-wayini pândle; itshonile yonke imivuyo; ipêle kwatî-tu imihlali yomhlaba.

12 Umzi usele walinxuwa, laqôtywa isango layimvitî.

13 Kuba kuya kuba nje esazulwini somhlaba wonke pâkatî kwezizwe, kube njengasekuvutûlulweni komnquma, njengasekubîkiceni ukupêla kokuvuna i-diliya.

14 Bona aba baya kupâkamisa izwi, bamemelele; baya kutsholoza ngobungangamsha buka-Yehova, beselwandle, batî.

15 Ngenxa yoko zukisani u-Yehova emimandleni yokukânya, igama lika-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, eziqitini zolwandle.

Digitized by Google

16 Esondweni lomhlaba siva ingoma ezitî, Udumo malube kwilungisa. Ndaza ndatî, Hayi ukungcungcutêka kwam! ukungcungcutêka kwam! Atî-ke mna! Amangininginî ayanginiza, amangininginî ayanginiza ngonginizo lawo.

17 Ufikelwe lunkwantyo nomgongxo nesibatâ wena mmi womhlaba.

18 Kuya kutî, otê walibaleka izwi elinkwantyisayo, eyele emgongxweni; otê wenyuka wapûma emgongxweni, abanjiswe sisibatâ; ngokuba ingcango zapêzulu zivulekile, zanyikima iziseko zomhlaba.

19 Uyavikiveka uvikiveke umhlaba; uyacandeka ucandeke umhlaba, uyashukuma ushukume umhlaba;

20 Uyatalasa umhlaba njengenxila; uyajinga njenge-koyi exônyiweyo; ureqo lwawo lunzima pêzu kwawo, uyawa ungabuye uvuke.

21 Kuya kutî ngalomini, awuvelele u-Yehova umkôsi wabapêzulu, nokumkani bomhlaba emhlabeni;

22 Bahlanganiswe behlanganiswa njengamakônxwa emhadini, bavalelwe entolongweni, bavelelwe kwakuba yimihla eminînzi;

23 Ibe nentloni inyanga, lidane ilanga, xa u-Yehova wemikôsi angukumkani entabeni ye-Tsiyon, nase-Yerusalem, napâmbî kwamadoda ake amakûlu ngobuqaqauli.

25 Yehova, ungu-Tîxo wam; ndiya kukupâkamisa, ndiya kubulela kwigama lakô; ngokuba wenze imisebenzi ebalulekileyo, amacebo akô kwakude, ukunyaniseka, inyaniso.

2 Ngokuba umzi uwenze walinxuwa; inqaba enqatyisiweyo yangumwewe, uxande olude lwabasemzini alwabi mzi, ungakîwa napâkade.

3 Ngenxa yoko baya kukuzukisa abantu abanencwangu, ikoyike imizi yentlanga ezingcangcazelisayo.

4 Ngokuba waba ligwiba kwisisweli, igwiba kwihlwempu ekubandezelweni kwalo, ihlatî esipângweni, umtûnzi lakubalela, xa ukufutâ kwabangcangcazelisayo kwaba njengesipângo eludongeni.

5 Njengokubalela emqwebedini udambîse ingxolo yabasemzini; njengokudanjiswa kokubalela litûnzi lelifu yatôtywa ngokunjalo ingoma yabangcangcazelisayo.

6 U-Yehova wemikôsi uya kuzenzela zonke izizwe isidlo sezinto ezityebileyo kulentaba, isidlo se-wayini egcinwe ngentsipo, sezinto ezityebileyo ezinomongo, sewayini egcinwe ngentsipo, yaza yahluzwa;

7 Aginye kulentaba umpâmbili wesigqubutêlo esizigqubutêleyo izizwe zonke, nesigubungelo esizigubungeleyo zonke intlanga.

8 Iya kukuginya ukufa kupêle, izisule i-Nkosi u-Yehova inyembêzi ebusweni bonke, ingcikivo yabantu bayo iyisuse emhlabeni wonke, kuba u-Yehova etêtile.

9 Kuya kutîwa ngalomini, Yabona, longu-Tîxo wetû; besitêmbêle kuye, ukuba asisindise; ngu-Yehova lo besitêmbêle kuye; masigcobe, sivuye ngosindiso lwakê.

10 Ngokuba isandla sika-Yehova siya kuhlala pêzu kwalentaba, anyatêlwe ama-Mowabi endaweni yawo njengokunyatêlwa komququ emanzini omgquba;

11 Azaneke izandla zawo emtônyameni wawo, njengokuba intlambî izaneka izandla ukuba idade; ke *u-Yehova* la uya kulitôba ifatshi lawo kunye nezigcaliselo zezandla zawo;

12 Azisibekekise indonga zakô ezinqabileyo ezipâkamileyo, azigungxule, ade azifikise emhlabeni elutûlini.

26 Ngalomini kuya kuvunywa lengoma ezweni lakwa-Yuda, itî, Yinqaba umzi wetû tina; umisa indonga nonqâmeko zibe lusindiso.

2 Vulani amasango, lungene uhlanga olunobulungisa, olugcine ukutêmbêka.

3 Intliziyo ezimasekileyo uyayilondoloza ixole ixolile; ngokuba ikôlose ngawe.

4 Kôlosani ngo-Yehova ngonapâkade; kuba u-Ya, u-Yehova liliwa elingunapâkade.

5 Ngokuba etûlele pântsi abahleli pêzulu, umzi oyingxonde uwugungxule wawugungxulela emhlabeni; wawufikisa elutûlini.

6 Ziyawunyasha inyawo, inyawo zentsizana, amanyatêlo ezisweli.

7 Umendo wamalungisa ulungelelene; wena uyawulinganisela umkondo wamalungisa ulungelelane.

8 Kakade, Yehova, besikulindile, ukuba uze emendweni wemigwebo yakô; wasinga

Digitized by Google

egameni lakô nasekuwukûmbûleni umnqweno wompêfumlo *wetû*.

9 Ngompêfumlo wam ndakunqwenela ebusuku; inene, ngomoya wam pâkatî kwam ndakufuna kwakusasa; ngokuba xenikweni imigwebo yakô ibêkiswe ehlabatini, baya kufunda ubulungisa abemi belimiweyo.

10 Nokuba utê wababalwa ongendawo, akafundi bulungisa, nasezweni labatê-gca uyagqwetâ, akabuboni ubungangamsha buka-Yehova.

11 Yehova, besipâkamile isandla sakô, ababona; ke baya kulibona ikwele lakô ngenxa yabantu, badane; ewe, mawubadle umlilo ababandezeli bakô.

12 Yehova, uya kusimisela uxolo; ngokuba nezenzo zetû zonke usisebenzele.

13 Yehova Tîxo wetû, inkosi ezinge nguwe bezinobukôsi pêzu kwetû; kodwa sikânkanya igama lakô ngawe wedwa.

14 Abafileyo abo abasayi kuba sapîla; izitûnzela ezo azisayi kuba savuka; ngokoke uzivelele wazitshabalalisa, wakwenza kwadaka konke ukukûnjulwa kwazo.

15 Ulwandisile uhlanga, Yehova, ulwandisile uhlanga, uzizukisile, uzikwelelisele kude izipêlo zelizwe.

16 Yehova, embândezelweni bakufuna, batûlula *umtândazo* ngelizwi elipântsi ekubatêtîseni kwako.

17 Njengomitîyo eza kuzala ezibîjabîja, ekâliswa zinimbâ; saba njalo pâmbî kwakô, Yehova.

18 Besimitî, besizibîjabîja, sanga sizala umoya. Asilenzelanga usindiso ilizwe, ababûmanga abemi belimiweyo.

19 Abafileyo bakô baya kupîla; izidûmbû zakowetû ziya kuvuka. Vukani, nimemelele, nina bahleli elutûlini; kuba ngumbetê wezikânviso umbetê wakô, nehlabati liya kuzikûpâ izitûnzela.

20 Hambâni, bantu bam, ningene ezingontsini zenu, nivale ingcango zenu ngasemva kwenu, nizimele umzuzwana, kude kudlule ukubâvuma;

21 Kuba yabona, u-Yehova upûma endaweni yakê, ukuze abuvelele kubo ubugwenxa babemi behlabati, ihlabati liwatŷile amagazi alo, lingabi sabaselela ababuleweyo balo.

27 Ngalomini u-Yehova uya kuyivelela ngerele lakê elo lilukûni, elo likûlu, elo lomeleleyo i-leviyatan inyoka ebalekayo, ne-leviyatan inyoka epînyapînyelayo; ayibulale ingwenya eselwandle.

2 Ngalomini kuya kutîwa, Isi-diliya esinqwenelekayo, hlabelani ngaso.

3 Mna Yehova ndingumlondolozi waso; ndiya kusinyela ngamaxesha onke, ndiya kusilondoloza ubusuku nemini, hleze sivelelwe yinto;

4 Ubushushu abukô kum;—akwaba bekukô ubobo namakâkakâka pâmbî kwam! bendiya kugaleleka kuwo ngokulwa, bendiya kuwatshisa kanye.

5 Okanye mababambêlele egwibeni lam, baxolelane nam, baxolelane nam.

6 Ngezayo imihla u-Yakobi uya kwendelisela ingcambû, atyatyambê adubule u-Sirayeli, balizalise lonke elimiweyo ngeziqâmo.

7 Umbetê ngokubetâ kwababetî bakê-na? mhlaumbî ubulewe ngokubulawa kwababulewe nguye-na?

8 Ekumaleni wabambâna naye, walinganisela wakâ uluhlu, wamgxotâ ngomoya wakô owomeleleyo ngemini yomoya wasempumalanga.

9 Ngako oko ubugwenxa buka-Yakobi buya kucanyagushelwa ngalento; isiqâmo sonke sokususa isono sakê sibe sesi sokutî, awenze onke amatye esibingelelo abe njengamatye e-kalika ankumenkume, bangavuki o-Ashera nezitîxo zelanga.

10 Ngokuba umzi onqatyisiweyo uwodwa, usisitîli esilahliweyo esishiyiweyo njengentlango; ayakudla kôna amatôle, abutê kôna, awadle awagqibe kôna amahlamvu aso.

11 Otî akoma amasebe aso, apûlwe; beze abafazi, bawabâse; kuba asibantu banengqondo aba; ngako oko umenzi wabo akayi kuba namfesane kubo, umbumbi wabo akayi kubababala.

12 Kuya kutî ngalomini, ahûlise u-Yehova, atâbatêle emsingeni wom-Lambô, ase esihlanjeni sase-Yiputa, nihlanganiselwe omnye komnye, nina bonyana baka-Sirayeli.

13 Kuya kutî ngalomini, kuvutêlwe isigodlo esikûlu, beze abebelahlekele ezweni

Digitized by Google

lakwa-Asuri nabebegxotêlwe ezweni lama-Yiputa, baqubude ku-Yehova entabeni engcwele ese-Yerusalem.

28 Yeha-ke sitsaba seratshi samanxila akwa-Efrayim, nentyantyambô ebunayo yamakâzikâzi esihombô sakê, esemantloko omfula ocûmayo wababuleweyo yi-wayini!

2 Yabona, i-Nkosi inento eyomeleleyo ekâlipileyo, njengesipângo sesicôto, isaqwiti esibûbîsayo, njengesipângo esimanzi anamandla akûkulayo eya kunqûmela emhlabeni ngesandla.

3 Siyanyashwa ngenyawo isitsaba seratshi samanxila akwa-Efrayim;

4 Intyantyambô ebunayo yamakâzikâzi esihombô sakê, esemantloko omfula ocûmayo, ibe njengekîwane elikîkîzela, kungekabi sehlotyeni; atî olibonileyo alibone, aliginye esalipêtê ngesandla.

5 Ngalomini u-Yehova wemikôsi uya kuba sitsaba esimakâzikâzi nesanqâwe sokuhombâ kumasalela abantu bakê;

6 Abe ngumoya wesiko kwabahleli esihlalweni sokugweba, nobugoŕa kwababuyisela imfazwe esangweni.

7 Kwa naba-ke bayoba yi-wayini, bayahexa sisiselo esinxilisayo; umenzeleli nomprofeti bayobe sisiselo esinxilisayo, baginyiwe yi-wayini, bayahexa sisiselo esinxilisayo, bayobe bebona imibono, bayagexa begweba ityala.

8 Kuba zonke izitêbe zizele ngumhlanzo, oyintshontsho; akukô ndawo.

9 *Batî*, Uya kuyala banina ukuba azi? aqondise banina udaba? Abalunyulweyo emasini? abancotûlweyo ebeleni?

10 Kuba umtêtô uza pêzu komtêtô, umtêtô pêzu komtêtô, ummiselo pêzu kommiselo, ummiselo pêzu kommiselo, intwana apâ, intwana pâya.

11 Inene, ngentetô etîntitâyo uya kutêtâ kwababantu nangalulwimi lumbî;

12 Awatshoyo kubo ukutî, Nantsi indawo yokupûmla, pûmzani abatŷafileyo; nantsi indawo yokunŷamnŷeka: abavuma ukuva.

13 Ngoko-ke ilizwi lika-Yehova loba ngumtêtô pêzu komtêtô kubo, umtêtô pêzu komteto, ngummiselo pêzu kommiselo, ummiselo pêzu kommiselo, intwana apâ, intwana pâya, ukuze baye bakûbeke, bawe ngomva, bapûke, bafintyelwe, babanjiswe.

14 Ngako oko liveni ilizwi lika-Yehova, madoda agxekayo, balauli bababantu base-Yerusalem;

15 Ngokuba nisitî, Sinqopîsene nokufa, sivumelene nelabafileyo. Isibetô esingunikûkula, xa singenelayo, asiyi kufika kutî, kuba amanga siwenze ihlatî letû, sasitêla ngobuxoki.

16 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndiseke e-Tsiyon ilitye, ilitye locikido, *ilitye* lembômbô elinqabileyo loseko olusekiweyo. Okôliweyo akayi kunxâma.

17 Isiko ndilenze intambô yokulinganisa, ubulungisa ndibenze i-lote yokulungelelanisa; isicôto simke nalo ihlatî lamanga, amanzi ayikûkulise indawo yokusitêla;

18 Kucinywe ukunqopîsana kwenu nokufa, kungemi ukuvumelana kwenu nelabafileyo; isibetô esingumkûkula xa singenelayo, sinenze nibe yinto egqushiweyo.

19 Okungenela singenelayo, siya kunisusa; ngokuba imiso ngemiso siya kuningenela, imini nobusuku; kutî ukuqonda udaba kube kuhlasimla kodwa.

20 Inene, umandlalo umfutshane, akukô kunaba; nesigubungelo sincinane, ukuba azisongele kuso.

21 Ngokuba uya kusuk'eme u-Yehova njengasentabeni ye-Pratsim, uya kuguguma njengasentilini ye-Gibeyon; ukuba enze isenzo sakê, isenzo sakê esisodwa, ukuba asebenze umsebenzi wakê, umsebenzi wakê ongaqêlekileyo.

22 Kaloku-ke musan' ukugxeka, hleze kuqiniselwe ukubotshelelwa kwenu; ngokokuba isipêlo esiya kulifikela ilizwe lonke sisesimisiweyo-ke sagqitywa, ndisivile e-Nkosini, u-Yehova wemikôsi.

23 Libekeleni indlebe nilive izwi lam; yibazeleni indlebe niyive intetô yam.

24 Umlimi ulima imini-ezo zonke-na ukuba ahlwayele? anqike aqwakanise umhlaba wakê-na?

25 Akatî na, ukuba ubulungelelanisile ubuso bawo, asasaze i-dile, ayigewayele i-kumin, afozise inqôlowa, ne-ŕasi endaweni epâuliweyo, ne-spelete ngasemdeni wayo?

26 Umqeqeshile ngokwesiko u-Tîxo wakê, wamyala.

27 Kuba i-dile ayisizilwa ngempahla yo-

Digitized by Google

kusiziła, ayiqengqelwa nge-vili yenqwelo i-kumin; itsinwa ngoswazi i-dile, ne-kumin ngentonga.

28 Inqôlowa ikê ityunyuzwe-na? Hayi, akahlali eyisizila, agoqozise i-vili yenqwelo yakê namahashe akê pêzu kwayo, akayityumzi.

29 Nalento ipuma ku-Yehova wemikôsi; omacebo anguminangaliso, obulumko butshatsheleyo.

29 Yeha-ke Ariyeli, i-Ariyeli, mzi awamisa in-tente kuwo u-Davide. Yongezelelani umnyaka kumnyaka; mayizunguleze imitêndeleko;

2 Ndiyicutê-ke i-Ariyeli, kubekô ukuncwina noncwino, ibe njenge-Ariyeli-keleyo kum;

3 Ndikufaule, ndikungqinge ngenqaba, ndikumisele intango zokukungqinga;

4 Ugungxulelwe pântsi, utêtê usemhlabeni, ukutêtâ kwakô kudambê kuvela elutûlini, lipûme emhlabeni njengelonesholo-gu izwi lakô, ukutêtâ kwakô kudumzele elutûlini.

5 Ingxokolo yabakungenelayo yaye-ke iyakuba njengotûli olucolekileyo, ingxokolo yabakungeangcazelisayo ibe njengomququ opêpûkayo; ibekô lento ngepânyazo nangesiqûpê.

6 Kupûma ku-Yehova wemikôsi ukuvelelwa kwayo ngendudumo nangonyikimo lomhlaba, nesandi esikûlu, isaqwiti, nomoya ovutûzayo, nokulenya komlilo otshisayo;

7 Ibe njengepûpâ, njengombono wasebusuku ingxokolo yentlanga zonke eziyipûmela umkôsi i-Ariyeli, zonke eziyipûmela umkôsi yona nembôniselo yayo, eziyicutâyo;

8 Kube njengokutî olambîleyo apûpê, abone esidla, avuke ulambâtâ umpêfumlo wakê; njengokutî onxaniweyo apûpê, abone esela, avuke, nanko etŷafile, utshoba umpêfumlo wake; iya kuba njalo ingxokolo yentlanga eziyipûmele umkôsi intaba ye-Tsiyon.

9 Zilazilani ningakûlumi; zimfamekiseni nibe zimfama. Bayanxila kunge nga-wayini, bayatalasa kunge ngasiselo sinxilisayo;

10 Ngokuba u-Yehova utûlule pêzu kwenu umoya wobutôngo obukûlu, wawabopâ amehlo enu, aba-profeti; nabazintloko benu, imbôni zenu uzigubungele.

11 Kuni umbono wento zonke ube njengamazwi encwadi etywiniweyo, abatî bayinike okwaziyo ukuyifunda, besitî, Kâulese apâ. Atî, Ndikôhliwe, kuba itywiniwe;

12 Incwadi inikwe ongakwaziyo ukuyifunda, kutîwe, Kâulese apâ. Atî, Andikwazi ukuyifunda incwadi.

13 Yatî i-Nkosi, Ngenx' enokuba ababantu besondela kum ngomlomo wabo, bendizukisa ngemilebe yomlomo wabo, intliziyo yabo beyikwêlelisele kude kum, nokundoyika kwabo kungumtêtô wabantu abawufunda-nje kodwa.

14 Ngako oko yabona, ndiya kupinda ndibapâtê ababantu ngokubalulekileyo, kubaluleke kumangaliseke, butshone ubulumko bezilumko zabo, isitêle ingqondo yengqondi zabo.

15 Yeha-ke abanxôkayo ukusitêlisa iqînga *labo* ku-Yehova, zibe semnyameni izenzo zabo, batî, Ngubanina osibonayo? ngubanina osaziyo?

16 Hayi ukupênduka kwenu! Kuya kutîwa umbumbî unjengodongwe-na, into eyenziweyo itî-na kumenzi wayo, Akandenzanga; into obunjiweyo itî-na kumbumbî wayo, Akaqondi?

17 Awuse umncinane-na umzuzwana ukuze i-Lebanon ibuye ibe yintsimi ecûmayo, intsimi ecûmayo kutîwe lihlatî?

18 Kutî ngalomini izitûlu ziweve amazwi encwadi, amehlo emfama abone esitôkotôkweni nasemnyameni;

19 Abalulamileyo bakwandise ukuvuya ngo-Yehova, abangamahlwempu eluntwini bagcobe ng-Oyingcwele ka-Sirayeli.

20 Ngokuba esusiwe umngcangcazelisi, epêlile umgxeki, benqunyulwe bonke ababâpêle ubutshinga,

21 Abamenza umoni umntu ngenxa yelizwi-eli, bamtîyele owohlwayayo esangweni, balisunduze ilungisa ngocûku.

22 Ngako oko utsho u-Yehova kwindlu ka-Yakobi, lowo wamkûlulayo u-Abraham, ukutî, Ngokuba u-Yakobi akayi kudana, ngoku ubuso bakê abuyi kuba lutûtû.

23 Ngokuba ekuboneni kwakê, *ekuboneni* kwabantwana bakê isenzo sezandla zam pâkatî kwabo, baya kulingcwaliса i-

Digitized by Google

gama lam, bamngcwalise Oyingcwele ka-Yakobi, bangcangcazele pâmbî ko-Tîxo ka-Sirayeli;

24 Bakwazi ukuqonda abamoya undwendwayo, bayamkele imfundo abaŕoŕayo.

30 Yeha-ke kubantwana abazinjubaqa, utsho u-Yehova, abenza iqînga elingapûmi kum, batêlelane ngotêlelwano kunge ngamoya wam, ukuze bongeze isono kwisono;

2 Abahambâ bahle baye e-Yiputa, bengabuzanga emlonyeni wam, basabele egwibeni lika-Faro, bazimele ngomtûnzi we-Yiputa!

3 Ngoko-ke liya kutî igwiba lika-Faro libe lidano kuni, nokuzimela ngomtûnzi we-Yiputa kube lihlazo;

4 Ngokuba abatêtêli babo bese-Tsohan, nabatûnywa babo befikē e-Hanes.

5 Bonke baya kudana ngabantu abangabanyusiyo, abange ngabokunceda nabange ngabokunyusa, abangabokudanisa, abangabokuhlazisa kananjalo.

6 Izihlabo ezisingisele kwimvubu yelase-Zantsi.

Ezweni lembândezelo nengcutêko, lengonyamakazi nengonyama, lefamba, lenyushu enobuhlungu epâpâzelayo, bebetŵele ubutyebi babo ngemihlana yenkonyana zama-esile, nobuncwane babo ngamalunda en-kamela, besiya kubantu abange nakubanyusa.

7 Ama-Yiputa-ke aya kunceda ngokungekwanto nangokulambâtâyo; ngako oko nditê ngawo angabagwagwisayo, behleli pântsi betê-tu.

8 Yiya ngoku, urole oko elucwecweni unabo, ukubâle encwadini, kube yinto yemihla ezayo, yanini, yapâkade.

9 Ngokuba ngabantu abanenkani, ngonyana abaxokayo, ngonyana abangavumiyo ukusiva isiyalo sika-Yehova,

10 Abatî kwimbôni, Zeningaboni; nakwinkangeli, Zeningasikângeleleli izinto ezité-gca; sitêtêleni izinto ezigudileyo, kângelani izinto eziyinkohliso.

11 Tyekani endleleni, yitîni-gubucala emendweni, menzeni apêle ebusweni betû Oyingcwele ka-Sirayeli.

12 Ngako oko utsho Oyingcwele ka-Sirayeli, ukutî, Ngokokuba nilicekisile elolizwi, nakôlosa ngokucudisa nangobugwenxa, nayama kôna;

13 Ngako oko obobugwenxa kuni buya kuba njengendawo eŕazukileyo, ewayo, ezimkayo eludongeni olude, ekuqêkeka kwayo kuza ngesiqupê nangepânyazo;

14 Ayiqêkeze njengokuqêkeka kompânda wombumbî, wakuqôtywa ungayekwa, kungafumaneki ekuqôtyweni kwawo negope lokutâbatâ umlilo eziko nelokukâ amanzi equleni.

15 Ngokuba itsho i-Nkosi, u-Yehova Oyingcwele ka-Sirayeli, ukutî, Beniya kusindiswa kubuya nakukupûmla; ebenga akôyo amandla enu ngokuzola nangokukôlosa, nasuka anavuma.

16 Ke natî, Hayi, siya kubaleka ngamahashe; niya kubaleka kambê; natî, Siya kukŵela kwimbâleki; ngenxa yoko baya kuba namendu abanisukelayo.

17 Niya kubaleka niliwaka ekâlime emnye; bekâlime bebahlanu, *nibaleke* nide nisale njengomtshanyane encotsheni yentaba nanjenge-banile endulini.

18 Ngako oko u-Yehova uya kukê alinde, ukuze anibabale; ngako oko uya kukê akŵelele pêzulu, ukuze abe nemfesane kuni; ngokuba ngu-Tîxo wogwebo u-Yehova; hayi uyolo lwabo bonke abalindele kuye!

19 Ngokuba abantu baya kuhlala e-Tsiyon, e-Yerusalem; aniyi kubasabuye nilile; uya kunibabala ngenene ekuvakaleni kokukâla kwenu; akukuva uya kusabela;

20 I-Nkosi ininike isonka sobandezelweyo namanzi soxiniweyo, bangabi sazimela abayali bako, amehlo akô esababona abayali bakô;

21 Indlebe zakô zive ilizwi ngasemva kwakô, lisitî, Nantsi indlela, hambâni ngayo, nokuba nisinga ekunene, nokuba nisinga ekôhlo;

22 Niwenze inqambî umaleko wemifanekiso yenu eqingqiweyo ye-silvere, nesinxôbo semifanekiso yenu etŷidiweyo yegolide; niya kuyicîtâcîtâ njengesishuba; uya kutî kuyo, Kwêlela umke apâ.

23 I-Nkosi iyinike imvula imbêwu yakô, owuhlwayela ngayo umhlaba; nesonka songeniselo lomhlaba, sityebe, sibe namafuta; imfuyo yakô iya kudla ngalomini emadlelweni abanzi;

24 Inkomo nama-esile amatsha asebe-

Digitized by Google

nza umhlaba, adle umtywakaniselo onetyuwa, oweliweyo ngomnyazi ne-folokwe yokwela;

25 Pêzu kwentaba zonke ezinde napêzu kwenduli zonke ezipâkamileyo ibe yimijelo, yimisinga yamanzi, ngemini yembûlalo enkulu, ekuweni kwenqaba ezinde;

26 Ukukânya kwenyanga kube njengokukânya kwelanga, nokukânya kwelanga kube kasixênxe njengokukânya kwemini ezisixênxe, ngemini yokubopâ kuka-Yehova ukwapûka kwabantu bakê, apôlise ukupâlusa kokubetâ kwakê.

27 Yabona, igama lika-Yehova liyeza, livela kude, uvutâ umsindo wakê, kutêshinyi umsi, umlomo wakê ulepûza amagwebu, ulwimi lwakê lunjengomlilo otshisayo;

28 Ukufutâ kwakê kunjengomlambô okûkulayo, obetâ emqaleni, ukuze azihluze intlanga ngentluzo yokuzipânzisa, umkâla olahlekisayo ube semihlatîni yezizwe.

29 Niya kuba nengoma enjengeyobusuku bokungcwaliswa komtêndeleko, novuyo lwentliziyo lube njengabahambâ bebetâ ugwali, ukuya entabeni ka-Yehova, eliweni lika-Sirayeli,

30 Alivakalise u-Yehova izwi lakê elinendili, akubonakalise ukuhla kwengalo yakê kunokujala ngumsindo, nokulenya komlilo otshisayo, nokupâlazeka kwelifu, nesipângo, namatye esicôtô.

31 Kuba u-Asuri uya kuqîpuk' umbilini lilizwi lika-Yehova ekubetêni kwakê ngentonga.

32 Kuya kutî, konke ukuhambâ koswazi lommiselo, aluhlisayo u-Yehova pêzu kwakê, kube nengqongqo nehadi, kusiliwa naye imfazwe, kujinga ingalo.

33 Kuba kukade icangcisiwe ilungisiwe i-Tofete, ibe-ke ilungiselwe ukumkani; yenziwe yanzulu, yabanzi, igoqo layo linomlilo nenkuni ezininzi; ukupêfumla kuka-Yehova kulipêmbâ njengomlambô wesulfure.

31 Yeha kwabehla baye e-Yiputa ukuba bancedwe, kwabayama ngamahashe, abakôlosa ngenqwelo zokulwa, kuba zizininzi, nangabamahashe, kuba beqinile kunene; abangamnoneleli Oyingcwele ka-Sirayeli, abangamfuniyo u-Yehova!

2 Ulumkile-ke naye, uya kuzisa ububi, angawabeki nxamnye amazwi akê, uya kusukela pêzulu kwindlu yabenzi bobubi, nakuncedo lwabasebenza ubutshinga.

3 Ama-Yiputa angabantu, aka-Tîxo; amahashe awo ayinyama, akangomoya; u-Yehova angasolula isandla sakê, wokûbeka umncedi, awe umncedwa, bapêle kunye bonke.

4 Ngokuba u-Yehova etshilo kum ukutî, Njengokuba ingonyama nengonyama entsha isuke igqume pêzu kwento eyibambîleyo, yakubizelwa ihlokondiba labalûsi, ingaloyiki ilizwi labo, ingayilahli ngokuxokozela kwabo; kwa ngokunjalo uya kuhla u-Yehova wemikôsi, ukuba ayikûpêle umkôsi intaba ye-Tsiyon nenduli yayo.

5 Njengentaka zidanda, uya kwenje njalo u-Yehova wemikôsi ukuyikûsela i-Yerusalem, eyikûsela, eyihlangula, eyiconga, eyisiza.

6 Buyelani kulowo nimkileyo kuye ngokunzulu, nyana baka-Sirayeli.

7 Ngokuba ngalomini baya kucekisa elowo izitîxo zakê ze-silvere ezinge-ni, neze-golide ezinge-ni, ezinenzele zona izandla zenu, ukuba nône ngazo.

8 Awe u-Asuri ngeŕele elinge lelandoda, limdle iŕele elinge lelamntu, asabe pâmbi kweŕele, amadodana akê afakwe uviko.

9 Ingxondoŕa yakê idlule imke ngokunxungupâla, baqîpuk' umbilini abatêtêli bakê, bemke kwi-banile, utsho u-Yehova, omlilo use-Tsiyon, oziko lise-Yerusalem.

32 Yabona, ukumkani uya kulaula ngokobulungisa, abatêtêli batêtele ngokwesiko;

2 Umntu abe njengendawo yokuzimela umoya, neyokusitêla esipângweni, abe njengemijelo yamanzi emqwebedini, njengomtûnzi wengxondoŕa enkulu ezweni elibâŕileyo;

3 Angavingcwa amehlo ababonayo, zibazeke indlebe zabevayo;

4 Iqonde ukwazi intliziyo yabanxâmayo, ulwimi lwabatîntitâyo lunxâmise ukutêtâ ngokutê-tŷatŷasini.

5 Isidenge akuyi kuba satîwa silinene, itshivela akuyi kutîwa lilinono;

6 Kuba isidenge sitêtâ ubudenge, intliziyo yaso yenza ubutshinga, ukuze senze ububi, sitête into yokubuda ngo-Yehova, silambâtîse umpêfumlo wolambîleyo, simswelise into eselwayo onxaniweyo.

7 Ubutshivela betshivela bubi, liceba a-

Digitized by Google

mayelenqe okonakalisa intsizana ngamazwi obuxoki, naxa ihlwempu litêtå ngokusesikweni.
8 Inene lona liceba into zobunene, lona limi ngento zobunene.

9 Bafazi batyeshileyo, suk'umani, liveni izwi lam, zintombî zingakåtåliyo; yibekeleni indlebe intetô yam.
10 Iya kuba zintsuku nokuba ngumnyaka, nigungqe, zintokazi zingakåtåliyo; kuba kupêlile ukuvuna izi-diliya; ukubutå iziqåmo akuyi kubakô nakanye.
11 Gubåni, zintokazi zityeshileyo; gungqani, zintokazi zingakåtåliyo; hlubani nicûshuluze, nibînqe eziŕwexayo emanqeni.
12 Baya kubetå emabeleni ngenxa yamasimi anqwenelekayo, nangenxa yemidiliya eneziqåmo.
13 Kuya kupûma imitî enameva namakåkakåka emhlabeni wabantu bakowetû, ewe, napêzu kwezindlu zonke zemihlali kumzi odlamkileyo.
14 Kuba ingxande ezinde zilahliwe, ingxokolo yomzi ishiyiwe, i-Ofele nembôniselo ziza kuba yimiqolombå ngonapåkade, zibe zindawo zokudlamkela kwamaesile asendle, zibe lidlelo lemihlambî;
15 Ude ugalelwe pêzu kwetû umoya opûma pêzulu, isuke intlanga ibe yintsimi ecûmayo, intsimi ecûmayo kutîwe lihlatî;
16 Kume entlango okusesikweni, buhlale ubulungisa entsimini ecûmayo.
17 Utî umsebenzi wobulungisa woba luxolo; nokwenza kobulungisa kube kuzola nokukôlosa ngonapåkade;
18 Abantu bakowetû bahlale esitîlini esinoxolo, eminqubeni yenkoloseko; ezindaweni zokupûmla ezinokonwaba;
19 Kupålale izicôto ekuweni kwehlatî, ugungxulelwe umzi endaweni epântsi.
20 Hayi uyolo lwenu bahlwayela ngasemanzini onke, bayekele amanqina enkomo nawe-esile.

33 Yeha-ke mbûqi, wena-ke ungabûqwanga; nginingini, wena-ke ûngatshinizelwanga! Wakugqiba ukubûqa, uya kubûqwa; wakufeza ukunginiza, uya kunginizelwa.
2 Yehova, sibabale, sitêmbêle kuwe; yiba yingalo yabo imiso ngemiso; yiba lusindiso kutî ngexesha lembåndezelo.
3 Ziyapålapåliswa izizwe lizwi lengxokolo, ziyapångalaliswa intlanga kupåkama kwakô;
4 Ahlanganiswe emke amaxôba enu njengokuhlanganisa kwenkumbî enqunqutåyo, bawaququzelele njengokuququzela komqikela.
5 U-Yehova upåkamile; ngokuba ehleli pêzulu; uyizalisile i-Tsiyon ngokusesikweni nangobulungisa;
6 Kubekô ukuzimaseka kwamaxesha akô, nobutyebi bosindiso, nobulumko, nokwazi; ukoyika u-Yehova bubuncwane bakê.

7 Yabona, injengele zawo ziyakåla ngapåndle; abatûnywa boxolo balila ngokuŕaŕa.
8 Indlela azihanjwa; umhambî upêlile; uwapûle umnqopîso, ucekise imizi, akakåtâlela mntu.
9 Ilizwe lenza isijwili, lintshwenyile, inentloni i-Lebanon, ishwabene; i-Sharon isuke yaba njengenqantosi; ivutûlula amagqabi i-Bashan ne-Karmele.
10 Kungoku-nje ndiya kusuka ndime, utsho u-Yehova; kungoku-nje ndiya kupåkama; kungoku-nje ndiya kuzinyusa.
11 Niya kumitå isikôtå, nizala indiza; ukufutå kwenu ngumlilo oya kunidla;
12 Izizwe zibe yimitshiso ye-kalika, yimitî enameva ehlahliweyo, ibaswe umlilo.

13 Yivani, nina bakude, endikwenzileyo; nibazi, basondeleyo, ubugoŕa bam.
14 Bayankwantya e-Tsiyon aboni, abazintshembenxa babanjwe kutûtûmela, batî, Ngubanina-ke kutî onokupåmbûkela emlilweni odlayo? ngubanina-ke kutî onokupambûkela emalangatyeni angunapåkade?
15 Ohambå ngobulungisa, otêtå okutêtye, ocekisa inzuzo yokucudisa, ovutûlula isandla sakê singapåtî isicêngo, ovingca indlebe zakê zingeva ngegazi, ocima amehlo akê angakângeli entweni embî:
16 Nguye oya kuhlala ezindaweni ezipêzulu; imbôniselo zengxondoŕa yingxonde yakê; isonka sakê usinikiwe, amanzi akê ahleli ekô.
17 Amehlo akô aya kumkângela ukumkani ebuhleni bakê; aya kulibona ilizwe elisingise kude.
18 Intliziyo yakô iya kucamanga ngesitûso, itî, Upîna umbali? upîna umliganiseli? upîna umbali wenqaba ezinde?

Digitized by Google

19 Abantu abazingwanyalala akuyi kubabona, abantu abantetô inzulu ingavakaliyo, abalulwimi lutîntitâyo lunge nakuqondeka.

20 Kângela i-Tsiyon, umzi wemitêndeleko yetû. Amehlo akô aya kuyibona i-Yerusalem, isitûli esinokonwaba, iyin-tente engafuduswayo, ezikônkwane zingancotûlwayo napâkade, ezintambô zonke zingaqâukiyo.

21 Ewe, ngenxa yetû ikôna ingangamsha u-Yehova; yindawo enemilambô, enemijelo ebanzi ngenxa zombîni; akuyi kuhambâ sinqanawa sibêqwayo apô, kungaweli kôna nqanawa iyingângamsha;

22 Kuba umgwebi wetû ngu-Yehova, ummisi-mtêtô wetû ngu-Yehova; ukumkani wetû ngu-Yehova, uya kusisindisa yena.

23 Zityeketyeke intambô zakô, azilubambî useko lwe-masti yazo, aziyitwabululi iqiya ene-banile; kuya kwandula kwabîwe amaxôba amaninzi atînjiweyo, neziqwala zipânge okupângiweyo.

24 Akayi kutî umuni wakôna, Ndiyafa; abantu abahlelîyo kôna baxolelwe ubugwenxa babo.

34 Sondelani, zintlanga, nive; nibaze indlebe, zizwe; malive ihlabati nezaliseko yalo; elimiweyo neziveliso zonke eziveliswa lilo.

2 Ngokuba ubufalafume buka-Yehova bupêzu kwentlanga zonke, nobushushu bake bupêzu komkôsi wazo wonke, uzisingele pântsi, uzinikele ekusikweni;

3 Balahlwe ababuleweyo bazo, nezidûmbû zabo kunyuke ukunuka kwazo, kunyibilike intaba ligazi lazo;

4 Uvunde wonke umkôsi wezulu, asongwe amazulu njengencwadi, wonke umkôsi wawo ubune njengokubuna kwegqabi em-diliyeni, njengokubuna kwegqabi emkîwaneni;

5 Ngokuba lisele lahluta ezulwini ifele lam; yabona, lihla pêzu ko-Edom, napêzu kwabantu endibasingele pântsi, ibe ngumgwebo.

6 Ifele lika-Yehova lizele ligazi, lityetyiswe ngamanqatâ, ligazi lemvana nelebôkwe, ngamanqatâ ezintso zenkunzi zegusha; ngokuba u-Yehova enombingelelo e-Botsera nokuxêla okukûlu ezweni lakwa-Edom;

7 Kuhle inqu kunye nazo, inkunzi ezintsha kunye nenkabi, lisele lihlute ilizwe labo ligazi, lutyetyiswe utûli lwabo ngamanqatâ.

8 Kuba u-Yehova unomhla wempindezelo, unomnyaka wembûyekezo, wokutêtelela i-Tsiyon;

9 Iguquke imilambô yabo ibe yi-tela, utûli lwabo lube yi-sulfure, ilizwe labo libe yi-tela etshayo.

10 Aliyi kucinywa ubusuku nemini; umsi walo uya kunyuka ngonapâkade; liya kucîtâkala kwisizukulwana ngesizukulwana; liya kuhlala lihleli kungabikô ucanda kulo;

11 Libe lilifa loqimngqoshe nokwalimanzi, kuhlale kulo isihuluhulu nehlungulu, olulo pêzu kwalo ulutya lokulinganisa lwakwa-nyanyeni ne-lote yokulungelelanisa yakwa-lubala.

12 Abanumzana balo—kungabi sabikô babiza bukumkani kubo,—bonke abatêteli balo babe yinto engekôyo.

13 Ingxande zalo ezinde zimile into enameva, ifawu namakâkakâka ezinqabeni zalo ezinkulu, libe sisikûndla sempungutye nedlelo leneciniba;

14 Kuhlangabezane amafamnewa omqwebedu nempungutye, into elixônti ikâulelane nowayo, ewe into yasebusuku iya konwaba kôna, izifumanele ukupômla.

15 Kulapô iya kwenzela kôna indlu inyoka ejubayo, izale amaqanda, ifukame emtûnzini kôna, ewe kôna apô aya kubutâ amaxâlangakazi elo nowalo.

16 Funani encwadini ka-Yehova, nilese. Akukô nanye kuzo ezonto eya kusala, eya kusilela kuwayo; ngokuba ngumlomo wam oziwisele umtêtô, ngumoya wawo ozibutîleyo.

17 Nguye ozifolele iqashiso, isandla sakê sazabela lona ngolutya lokulinganisa; ziya kulidla ilifa kude kuse epâkadeni, zihlale kulo kwisizukulwana ngesizukulwana.

35 Inemihlali intlango nomqwebedu, iyagcoba inqantosi, iyadubula njengentyantyambô.

2 Iyatyatyambâ itî-qôto, iyagcoba, ewe iyagcoba, imemelele, inikwe ubuqaqauli be-Lebanon, ubungangamela be-Karmele ne-Sharon; ezondawo ziya kububona ubuqaqauli buka-Yehova, ubungangamela bo-Tîxo wetû.

Digitized by Google

3 Yomelezani izandla eziwileyo, niwaqinise amadolo agexayo.
4 Yitini kwabantliziyo zinxâmayo, Yomelelani, ningoyiki. Yabona, u-Tixo wenu uyeza unempindezelo, enembûyekezo ka-Tixo; uya kuza yena anisindise;
5 Aze avulwe amehlo emfama, zivulwe indlebe zezitûlu;
6 Size sitsibe njengexâma isiqwala, lumemelele ulwimi lwesidenge; ngokuba kuya kugqoboka amanzi entlango nemilambô enqantosini;
7 Isanga sibe lidike, nendawo ezinxaniweyo zimpompoze amanzi; esikûndleni sempungutyekazi, apô abuturna kôna, ibe butyani nengcongolo nemikânzi;
8 Kubekô umendo kôna, kubekô indlela kutiwe ukubizwa kwayo yindlela engewele le; akuyi kudlula nto iyinqambi ngayo; yeyabo yona: abahambâ londlela—nabazihula abayikulahleka kuyo.
9 Akuyi kubakô ngonyama kôna, aliyi kuqabela kôna ifamncwa eliqwengayo, aliyi kufunyanwa kôna; kuya kuhambâ kôna abakûlulwe ngokuhlaulelwa;
10 Abakûlulwa baka-Yehova babuye beze e-Tsiyon bememelela; benovuyo olungunapâkade pêzu kwentloko zabo; baya kufumana imihlali nemivuyo, sisabe isinqâla nosizi.

36 Kwati ngonnyaka weshumi elinesine wokumkani u-Hezekiya, kwenyuka u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, waya kuyo yonke imizi yakwa-Yudà enqatyisiweyo, wayitimbâ.
2 Ukumkani wakwa-Asuri wasusa u-Rabeshake é-Lakishe, ukuba aye é-Yerusalem kukumkani u-Hezekiya, enempi enzima; wafika wema emjelweni wecibi lasentla, ongasemendweni wentsimi yomsuki wengubo.
3 Kwapûma kwaya kuye u-Eliyakim unyana ka-Hilekiya, umpâti wendlu, no-Shebena umbâli, no-Yowa unyana ka-Asafu indedebe.
4 Wati kubo u-Rabeshake, Kâniti ku-Hezekiya, Utsho ukumkani omkûlu, ukumkani wakwa-Asuri, ukuti, Yeyanina lenkôloseko ukôlose ngayo?
5 Nditi mna, lizwi lomlomo wodwa iqinga *lakô* nobugofa *bakô* bemfazwe; okungoku-ke ukôlose ngobanina, ugwilike kum-nje?
6 Uyabona, ukôlose ngalomsimelelo wengcongolo evikivekileyo, i-Yiputa eti, otê wayama ngayo, ingene esandleni sakê, imhlabe; unjalo u-Faro ukumkani we-Yiputa kubo bonke abakôlose ngaye.
7 Ke ukuba uti kum, Sikôlose ngo-Yehova u-Tixo wetû, nditi, Asinguye-na lo uzigânga nezibingelelo azisusileyo u-Hezekiya, wati kuma-Yuda nakwi-Yerusalem, Ize niqubude pâmbi kwesisibingelelo?
8 Kâubekelane kaloku nenkosi yam, ukumkani wakwa-Asuri: ndokunika amawaka amabini amahashe, ukuba unakô ngecala lakô ukukûpâ abakwelî bokuwakwela.
9 Woti-nina ukubujika ubuso benkosana enye yakubo abancinane babakônzi benkosi yam? ukôlose nge-Yiputa, ngenqwelo zokulwa nangabamahashe.
10 Ngoku-nje ndinyuke ndeza kulonakalisa elilizwe, ndinge naye u-Yehova yinina? U-Yehova utê kum, Nyuka uye kwelilizwe, ulonakalise.
11 Bati o-Eliyakim no-Shebena no-Yowa ku-Rabeshake, Kâuteti kubakônzi bakô ngesi-Aram; kuba sisiva sona; mus'ukutêtâ kuti ngesi-Yuda ezindlebeni zabantu abaseludongeni.
12 Wati u-Rabeshake, Inkosi yam inditûme ukuba ndiwatêtê lamazwi onkosini yakô nakuwe yinina? asikulamadoda ahleliyo eludongeni yinina, ukuze adle ilindle lawo, asele umcâmo wawo nani?
13 Wema u-Rabeshake, wadanduluka ngezwi elikûlu ngesi-Yuda, wati, Yivani amazwi okumkani omkûlu, okumkani wakwa-Asuri.
14 Uti ukumkani, Makanganilukuhli u-Hezekiya; ngokuba akayi kuba nakô ukunihlangula;
15 Makanganikôlosisi ngo-Yehova u-Hezekiya, esiti, Inene uya kusihlangula u-Yehova; lomzi awusayi kunikelwa esandleni sokumkani wakwa-Asuri.
16 Musan' ukumpûlapûla u-Hezekiya, ngokuba utsho ukumkani wakwa-Asuri, ukuti, Xolisanani nam, nipûme nize kum, nidle elowo um-diliya wakê, elowo umkiwane wakê, nisele elowo amanzi equla lakê.
17 Ndide ndize ndinise ezweni elinjengelizwe lenu, ilizwe lenqôlowa ne-wayini entsha, ilizwe lesonka nezi-diliya,
18 *Ize nilumke* hleze aninyange u-Hezekiya, esiti, U-Yehova uya kusihlangula. Otixo bentlanga balihlangula-na elowo ili-

Digitized by Google

zwe lakê esandleni sokumkani wakwa-Asuri?

19 Bapîna otîxo base-Hamati ne-Arpadi? bapîna otîxo base-Sefarvayim, ukuba bangabi balihlangule elakwa-Samari esandleni sam?

20 Nguwupîna kotîxo bonke balamazwe olihlanguleyo ilizwe lakê esandleni sakê, ukuba ade u-Yehova ayihlangule i-Yerusalem esandleni sam?

21 Batî-tu, abampêndula nazwi; ngokuba umtêtô wokumkani wona ubusitî, Zeningampênduli.

22 Weza-ke u-Eliyakim unyana ka-Hilekiya, umpâtî wendlu, no-Shebena umbâli, no-Yowa unyana ka-Asafu indedebe, ku-Hezekiya, beziřazule ingubo zabo, bamxelela amazwi ka-Rabeshake.

37 Kwatî, akukuva oku ukumkani u-Hezekiya, waziřazula ingubo zakê, wazigquma ngezifwexayo, wangena endlwini ka-Yehova;

2 Watûma u-Eliyakim umpâtî wendlu, no-Shebena umbâli, namadoda amakûlu abenzelelili, bezigqume ngezifwexayo, ku-Yesaya um-profeti unyana ka-Amotsi,

3 Batî kuye, Utsho u-Hezekiya ukutî, Lemini yimini yembândezelo neyokohlwaywa neyogibo; ngokuba abantwana baze kufika emlonyeni wesizalo, tu-ke amandla okuzala.

4 Mhlaumbî u-Yehova u-Tîxo wakô angaweva amazwi ka-Rabeshake, otûnyiweyo ngukumkani wakwa-Asuri inkosi yakê, ukungcikiva u-Tîxo opîlileyo, amohlwaye ngenxa yamazwi lawo awavileyo u-Yehova u-Tîxo wakô; wena upâkamise umtândazo ngenxa yamasalela asekôyo.

5 Baya-ke abakônzi bokumkani u-Hezekiya ku-Yesaya.

6 Watî u-Yesaya kubo, Notî kwinkosi yenu, Utsho u-Yehova ukutî, Mus' ukoyikiswa ngamazwi owavileyo, abandinyelise ngawo abafana bakwakumkani wakwa-Asuri.

7 Yabona, ndimfaka umoya, ukuba eve udaba olubi, abuye-ke aye ezweni lakê, ndimwise ngeřele ezweni lakê.

8 Wabuya-ke u-Rabeshake, wamfumana ukumkani wakwa-Asuri esilwa ne-Libena; ngokuba ebevile ukuba undulukile e-Lakishe.

9 Weva kusitîwa ngo-Tiraka ukumkani wakwa-Kushi, upûmile esiza kulwa nawe. Weva-ke, watûmela abatûnywa ku-Hezekiya esitî,

10 Notsho ku-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, ukutî, Makangakulukuhli u-Tîxo wakô, okôlose ngaye wena, usitî, Ayisayi kunikelwa i-Yerusalem esandleni sokumkani wakwa-Asuri.

11 Uyabona, ukuvile wena abakwenzileyo okumkani bakwa-Asuri kumazwe onke, ukuba bawapânzisa; uya kuhlangulwa-nake wena?

12 Otîxo bentlanga kêbazihlangula-na ezo, bazitshabalalisayo obawo, i-Gozan, ne-Haran, ne-Retsefe, nonyana baka-Eden ababe se-Telasare?

13 Upîna ukumkani we-Hamati, nokumkani we-Arpadi, nokumkani womzi wase-Sefarvayim, ne-Hena, ne-Iva?

14 Wawatâbatâ u-Hezekiya amapepa encwadi esandleni sabatûnywa, wawafunda; wenyuka waya endlwini ka-Yehova, wayaneka u-Hezekiya pâmbî ko-Yehova.

15 Watândaza u-Hezekiya ku-Yehova esitî,

16 Yehova wemikôsi, Tîxo wakwa-Sirayeli, wena uhleli pâkatî kwe-kerubi, unguye u-Tîxo wena wedwa kwizikumkani zonke zomhlaba; wena ulenzile izulu nomhlaba;

17 Tôba indlebe yakô, Yehova, uve; vula amehlo akô, Yehova, ubone; uweve onke amazwi ka-Saneribe, awatûmele ukungcikiva u-Tîxo opîlileyo.

18 Okunene, Yehova, okumkani bakwa-Asuri bazipânzisile zonke intlanga namazwe azo,

19 Babanikela otîxo bazo emlilweni, kuba bebenge tîxo, bebe ngumsebenzi wezandla zomntu, umtî nelitye; babatshabalalisa-ke.

20 Kengoko, Yehova Tîxo wetû, sisindise esandleni sakê, zazi zonke izikumkani zomhlaba, ukuba wena ungu-Yehova wedwa.

21 Watûmela-ke u-Yesaya unyana ka-Amotsi ku-Hezekiya, esitî, Utsho u-Yehova, u-Tîxo wakwa-Sirayeli, ukutî, Okutândazeleyo kum ngokubêkisele ku-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, *ndikuvile*.

22 Lilo eli ilizwi alitêtâyo u-Yehova ngaye, Intombî eyintombî u-Tsiyon iyakudela, iyakugculela; intombî u-Yerusalem ihlunguzela intloko emva kwakô.

Digitized by Google

23 Ngubanina lo umngcikivileyo, umnyelisileyo? ngubanina lo umpâkamisele izwi lakô; ukude uwapâkamisele amehlo akô pézulu-nje? Ng-Oyingcwele wakwa-Sirayeli.

24 Uyingcikivile i-Nkosi ngabakonzi bakô, watî, Ngobuninzi benqwelo zam zokulwa ndiqabele mna ezintlomeni zentaba, ematâmbêkeni e-Lebanon, ndiyigaule imisedare yayo emide kakûlu nemi-sipres yayo enyuliweyo, ndifike kweyokupêla indawo yayo epézulu, ehlatîni lentsimi yayo ecûmayo;

25 Ndimbê, ndasela amanzi mna; ndiya kuyomisa ngentende yenyawo zam yonke imijelo yom-Nayile ose-Yiputa.

26 Akuvanga-na? kwakude ndakwenza oku, kwangemihla yamandulo ndakubumbâ, ndikufikisile kwenzeka ngoku, ukuba uyikâhlele pântsi imizi enqatyisiweyo ibe yingxakangxaka yemiwewe;

27 Abemi bayo banqumka izandla, baqîpûka umbilini, badana, baba ngumfuno wasendle nohlaza, utyani obupézu kwendlu, nentsimi yenqólowa engekabi mvila.

28 Ke ukuhlala kwako nokupûma kwakô nokungena kwakô ndiyakwazi, nokuguguma kwakô ngam.

29 Ngenxa yokuguguma kwakô ngam nangenxa yokutyesha kwakô okunyuke kweza ezindlebeni zam, ndiya kufaka ikônco lam empumlweni yakô, nomkâla wam emlonyeni wakô, ndikubuyise ngendlela oweza ngayo.

30 Kekaloku nguwo lo umqondiso kuwe: nonyaka kodliwa ummilela, ngonyaka wesibini kodliwa isihlabane, ngonyaka wesibini nohlwayela nivune, nityale izidiliya, nidle iziqâmo zazo;

31 Abasindileyo bendlu yakwa-Yuda, abo baseleyo, babuye bendelisele ingcambû pântsi, benze iziqâmo pézulu.

32 Ngokuba kuya kupûma e-Yerusalem abaseleyo nabasindileyo entabeni ye-Tsiyon. Ubukwele buka-Yehova wemikôsi buya kukwenza oko.

33 Ngako oko utsho u-Yehova ngokubêkisele kukumkani wakwa-Asuri, ukutî, Akayi kungena kulomzi, akayi kutola notolo kuwo, akayi kuwuzela enengweletshetshe, akayi kuwufumbêla ludonga lokungqinga.

34 Uya kubuya ngendlela aya kuza ngayo; akasayi kungena kulomzi, utsho u-Yehova.

35 Ndiya kuwukûsela lomzi, ndiwusindise ngenxa yam, nangenxa ka-Davide isicaka sam.

36 Kwapûma-ke isitûnywa sika-Yehova, saxabela emkôsini wama-Asuri ikûlu elinamanci asibôzo anesihlanu amawaka. Bavuka kusasa, nanko ezidûmbû ezifileyo onke.

37 Wanduluka, wahambâ; wabuya u-Saneribe ukumkani wakwa-Asuri, wahlala e-Nineve.

38 Kwatî, enqula endlwini ka-Niseroki utîxo wakê, bamxabela ngerele o-Adrameleki no-Sharetsere onyana bakê. Baza basabela ezweni lase-Ararati. U-Esar-hadon unyana wakê waba ngukumkani esikûndleni sakê.

38 Ngalomihla wayesifa u-Hezekiya, eza kufa. Waya um-profeti kuye, u-Yesaya unyana ka-Amotsi, watî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Yolela indlu yakô, ngokuba uya kufa wena, akuyi kupîla.

2 U-Hezekiya wabubêkisa eludongeni ubuso bakê, watândaza ku-Yehova, watî,

3 Kâukûmbûle, ndiya kukûnga, Yehova, okokuba ndihambê pâmbî kwakô ngokunyanisa nangentliziyo epêlelisileyo, ndakwenza okulungileyo emehlweni akô. Watsho u-Hezekiya isililo esikûlu.

4 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yesaya, lisitî,

5 Yiya utî ku-Hezekiya, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Davide uyihlo, ukutî, Ndiwuvile umtândazo wakô, ndizibonile inyembézi zakô; uyabona, ndiya kongezelela kwimihla yakô ishumi elinesihlanu leminyaka;

6 Ndikuhlangule wena nalomzi esandleni sokumkani wakwa-Asuri, ndiwukûsele lomzi.

7 Nangu-ke umqondiso kuwe, upûma ku-Yehova, ukuba uya kulenza u-Yehova elolizwi alitêtîleyo.

8 Uyabona, ndisibuyisa isitûnzi sezinyuko esehlayo esinyukweni sika-Ahazi ngelanga, *ndisibuyisa* umva izinyuko ezilishumi. Labuya-ke ilanga izinyuko ezilishumi esinyukweni, elibe lihlile ngazo.

9 Umbâlo ka-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, oko ebesifa, waza wapîla.

Digitized by Google

10 Ndatî mna, Yakubon'ukuba itê-cwaka imihla yam, mandimke ndiye emasangweni elabafileyo,
Ndivelelwe ndayihlutwa eseleyo iminyaka yam.
11 Ndatî, Andiyi kumbona u-Ya, u-Ya ezweni labapîlileyo;
Andikuba samkângela umntu, ndikubemi belabangasekôyo.
12 Umnquba wam uza kuncotûlwa, ufuduswe umke kum njenge-ntente yomalûsi;
Ndibusongile njengomluki ubomi bam, unditsheca ezintsingeni.
Uya kundigqibela ngosuku olunye.
13 Ndazizolisa kwada kwasa; njengengonyama, wenje njalo ukuwapûla onke amatâmbô am.
Uya kundigqibela ngosuku olunye.
14 Njengenkonjane, njengendwe ndenje njalo ukuřiřiza
Ndaliła njengehobe; apêla amehlo am kubêka pêzulu:
Yehova, ndifingekile, ndimele.
15 Ndotî-nina *ukubulela?* etêtîle-nje kum, wenza nokwenza:
Mandicotoze yonke iminyaka yam eyakuza pêzu kobuřaŕa bompêfumlo wam.
16 Nkosi yam, babuya bapîle zezozinto abantu,
Bukuzo kanye ubomi bomoya wam:
Wondipîlisa-ke, ndidlise ubomi.
17 Yabona, baba lusindiso kum ubuřaŕa obukûlu.
Wena-ke ngokunditânda, wawufola umpêfumlo wam esihogweni sokonakala;
Ngokuba izono zam uzilahlile emva komhlana wakô.
18 Kuba elabafileyo alinakukuncoma, ukufa akunakukudumisa;
Abahla baye emhadini abakulindele ukunyanisa kwakô.
19 Opîlileyo, opîlileyo nguye owokuncoma njengam-nje namhla.
Uyise uya kukwazisa ukunyanisa kwako konyana.
20 U-Yehova uza kundisindisa;
Ngoko-ke sobetâ ihadi zetû
Yonke imihla yobomi betû endlwini ka-Yehova.

21 Watî u-Yesaya, mabatâbatê isicumbâ samakîwane, basibêke etûmbêni, ukuze apîle.
22 Watî u-Hezekiya, Uyinto-nina umqondiso wokuba ndiya kunyuka ndiye endlwini ka-Yehova?

39 Ngeloxesha u-Merodaki-baladan unyana ka-Baladan, ukumkani wase-Babeli, watûmela incwadi nomnikelo ku-Hezekiya; wayevile ukuba ubesifa wabuya wacâcâ.
2 Wavuya u-Hezekiya ngabo, wababonisa indlu yake yezinto aziqwebileyo: isilvere, ne-golide, nobulawu ne-oli entle, nendlu yonke yentonga zakê, nento yonke ebikô ebuncwaneni bakê; akwabikô nto endlwini yakê nasekulaulêni kwakê konke, angababonisanga yona u-Hezekiya.
3 Waya u-Yesaya um-profeti kukumkani u-Hezekiya, watî kuye, Atê-nina lamadoda? avele ngapîna ukuza kuwe? Watî u-Hezekiya, Avele ezweni elikude e-Babeli, esiza kum.
4 Watî-ke, Abone nto-nina endlwini yakô? Watî u-Hezekiya, Abone into yonke esendlwini yam; akubangakô nto ndingababonisanga yona ebuncwaneni bam.
5 Watî u-Yesaya ku-Hezekiya, Live-ke ilizwi lika-Yehova wemikôsi.
6 Uyabona, kuza imihla, eya kutî yonke into esendlwini yakô, nento abayiqwebayo oyihlo kwada kwayîlemini, itwalelwe e-Babeli, kungasali nto, utsho u-Yehova;
7 Batâbatê nakonyana bakô abaya kupûma kuwe, oya kubazala, babe ngababusi ebôtweni lokumkani wase-Babeli.
8 Watî u-Hezekiya ku-Yesaya, Lilungile ilizwi lika-Yehova, olitêtîleyo. Watî, Inene, kuya kubakô uxolo nozingiso ngeyam imihla.

40 Tûtûzelani, tûtûzelani abantu bam, utsho u-Tîxo wenu.
2 Têtâni kakuhle ne-Yerusalem, nimemeze kuyo, nitî kuzalisekile ukupûma kwayo umkôsi; nitî buhlaulelwe ubugwenxa bayo; niti yamkeliswe esandleni sika-Yehova okupîndwe kabini kwizono zayo zonke.

3 Yivani! omemezayo esitî, Yigeceni entlango indlela ka-Yehova; tyenenezelani u-Tîxo wetû umendo enqantosini.
4 Yonke imifula mayinyuswe, zonke i-

Digitized by Google

ntaba nenduli zigungxulwe; indawo ezimagqagala zibe sitâbazi, nemixawuka ibe zintili,

5 Butŷileke ubuqaqauli buka-Yehova, ibubone inyama yonke kunye; ngokuba utêtîle umlomo ka-Yehova.

6 Ilizwi lotîle latî, Memeza. Watî yena, Ndimemeze nto-nina? Yitî, Yonke inyama butyani, bonke ubuhle bayo buhjengentyantyambô yasendle;

7 Buyoma utyani, iyabuna intyantyambô; ngokuba umoya ka-Yehova uvutûza kuyo; inene, abantu babutyani.

8 Buyoma utyani, iyabuna intyantyambô; ke lona ilizwi lika-Tîxo wetû liya kuma ngonapâkade.

9 Wena Tsiyoni, mshumayeli wendaba ezilungileyo, nyuka uye entabeni epâkamileyo; wena Yerusalem, mshumayeli wendaba ezilungileyo; pâkamisa ngamandla izwi lakô, pâkamisa ungoyiki; yitî kwimizi yakwa-Yuda, Nanko u-Tîxo wenu!

10 Uyabona, i-Nkosi u-Yehova iya kuza, ingowomeleleyo, ingalo yayo iyilaulela. Uyabona umvuzo wayo inawo, nomsebenzi wayo upâmbi kwayo.

11 Iya kuwalûsa umhlambî wayo njengomalûsi, iya kuwabutâ ngengalo zayo amatâkane, iwatŵale ngesifuba sayo, izitûndeze ezanyisayo.

12 Ngubanina olinganise amanzi entendeni yesandla sakê, walilungisa izulu ngomoluko weminwe, walukôngozela utûli lomhlaba ngomlinganiselo, wazilinganisa intaba ngesilinganiso, nenduli nge-skali?

13 Ngubanina owalungisa umoya ka-Yehova, wayindoda emcebisayo, wamazisa?

14 Wacebisana nabanina owamqondisayo, wamfundisa umendo wesiko, wamfundisa ukwazi, wamazisa indlela yokuqonda?

15 Yabona, intlanga zibalelwa ekubeni zinjengetôntsi empândeni, njengesuntswana e-skalini. Yabona, iziqiti zinjengotûli oluqâpûkayo.

16 I-Lebanon ayilingene kubaswa, nenyamakazi zayo azilingene ukuba lidini elinyukayo.

17 Zonke intlanga zinjengento engento pâmbi kwakê, kuye zibalelwa ekutîni asizanto, zilucûku.

18 Ningamfanekisa-ke nabanina u-Tîxo nimxulumise mfanekiso mnina naye?

19 Umfanekiso oqingqiweyo utŷidwa yincîbi, wawaleka nge-golide umnyibilikisi, awunyibilikisele imixokelelwane ye-silvere.

20 Okôhliweyo ngumfumo ukêtâ umtî onge nakubola, uzifunela incîbi eyaziyo, ukuba imlungisele umfanekiso oqingqiweyo ongayi kushukuma.

21 Anazi-na? aniva-na? anixelelwangana kwa sentloko? iziseko zehlabati aniqondanga-na?

22 Nguló uhlala pêzu kwesazinge somhlaba, abemi bawo-kê benjengemicikwane, ulowaneka amazulu njengeqiya eliyasuyasu, wawatŵabulula njengen-tente yokuhlala.

23 Ulozenza izidwangube ukuba zingabi nto, abagwebi bomhlaba abenze babe lucûku.

24 Bengekatî ukutyalwa, bengekatî ukuhlwayelwa, singekatî ukwendelisela ingcambû emhlabeni isipûnzi sabo, uselebafutêla bome, ubatâbatê umoya ovutûzayo njengomququ.

25 Niya kundifanisa nabanina, ndilingane naye? utsho Oyingcwele.

26 Pâkamiselani amehlo enu pêzulu, nibone: ngubanina owadala ezizinto? Ngulokûpâ umkôsi wazo ngamaqela, uzibiza zonke zipêla ngamagama, ngenxa yobukûlu bokomelela, ekâlipîle ngamandla; akusali nanye.

27 Yinina ukuba utî, Yakobi, utêtê utî, Sirayeli, Indlela yam isitêle ku-Yehova, nebango lam lidlule ku-Tîxo wam.

28 Akwazi-na? akuvanga-na? ukuba u-Tîxo ongunapâkade ngu-Yehova; umdali wezipêlo zomhlaba; akatŷafi, akadinwa, ayinakugocagocwa ingqondo yakê.

29 Umnika otŷafileyo amandla, onge nakomelela amândisele ukuqina.

30 Namadodana angatŷafa adinwe, namadodana akûbeke awe;

31 Ke bona abatêmbele ku-Yehova baya kuhlaziyeka emandleni; banyuke ngamapîko njengenkozi; baya kugidima bangadinwa; bahambê bangatŷafi.

41 Yitîni-tu pâmbi kwam, ziqiti; izizwe zihlaziye amandla; mazize zisondele, zandule zitêtê; masiqubisane ematyaleni.

2 Ngubanina ovuse empumalanga lowo ukâulelwa bubulungisa ezinyaweni zakê? unikela intlanga pâmbi kwakê, unyatêla

Digitized by Google

okumkani, ubanikela ereleni lakè njengotûli, njengomququ opètshetwayo esapetèni sakè.

3 Uyabasukela, udlula enoxolo ngomendo, abengawuhambânga ngenyawo zakè.

4 Ngubanina okusebenzileyo wakwenza oko, obiza izizukulwana kwasentloko? mna Yehova ndingowokuqala nakwabangasemva ndikwanguye.

5 Iziqiti zabona zoyika, izipèlo zomhlaba zagubâ, zasondela, zeza.

6 Umntu wamnceda uwabo, watî kumzalwana wakè, Yomelela.

7 Incîbi yomeleza umnyibilikisi; ogudisayo ngesando womeleza obetâ esikândelweni, esitî, Kulungile; wasiqinisa ngezikônkwane, ukuba singashukumi *isitîxo*.

8 Ke wena Sirayeli, sicaka sam Yakobi, wena ndakunyulayo, mbèwu ka-Abraham umtândi wam;

9 Endakubambâyo kwasezipèlweni zomhlaba, endakubiza kwa semacaleni awo, endatî kuwe, Usisicaka sam wena, ndikunyule andikucekisile;

10 Mus'ukoyika, kuba ndinawe mna; mus'ukubèkabèka kuba ndingu-Tîxo wakô; ndikukâlipîsile, ewe ndikuncedile, ndikuxâsile ngesandla sam sokunene sobulungisa bam.

11 Yabona, baya kudana bahlazeke bonke abavutâ umsindo ngawe; aya kuba yinto engento, adake amadoda abambâna nawe.

12 Uya kuwafuna, ungawufumani amadoda apîkisana nawe; aya kuba yinto engento engekôyo amadoda alwa nawe.

13 Ngokuba mna Yehova Tîxo wakô ndiya kusibambâ isandla sakô sokunene, ndingotî kuwe, Mus'ukoyika, ndiya kukunceda mna.

14 Mus'ukoyika, mbungu Yakobi, bantu bambalwa bakwa-Sirayeli, ndiya kukunceda mna, utsho u-Yehova, umkûluli wakô Oyingcwele ka-Sirayeli.

15 Yabona, ndikwenzè isisizilo esibukâli esitsha esintlangotî mbini; uya kubûla intaba uzicole, induli uzixelise umququ.

16 Uya kuzelâ, umoya uzitâbatè, umoya ovutûzayo uzipângalalise; ke wena ugcobe ngo-Yehova, uqâyise ng-Oyingcwele ka-Sirayeli.

17 Ke abazintsizana nabangamahlwempu baya kufuna amanzi, angabikô; ulwimi lwabo lome linxano; mna Yehova ndiya kubapèndula; mna Tîxo ka-Sirayeli andiyi kubashiya.

18 Ndiya kuyivula imilambô eluqayini, nemitômbo pâkatî kwentili, ndenze intlango ibe lidike elinamanzi, nomhlaba ongumqwebedu ube zindawo ezipûma amanzi.

19 Ndiya kutyala entlango imi-sedare, nemingampunzi, nemi-mirtile, neminquma, ndimisa enqantosini imi-sipres, nemipulane, nemi-sherebin ndawo-nye,

20 Ukuze babone bazi, bagqale ngentliziyo, baqiqe kunye, ukuba isandla sika-Yehova sikwenzile oko, Oyingcwele ka-Sirayeli ukudalile oko.

21 Sondezani indawo enibambène ngazo, utsho u-Yehova; zimiseni iziganeko zenu, utsho u-Kumkani ka-Yakobi.

22 Mabazizise, basixelele okuza kuhla: mabaxele izinto zangapâmbîli ubunjani bazo, sizigqale ngentliziyo, silazi ikamva lazo, nokuba zezizayo siviseni.

23 Xelani izinto ezizayo ngasemva, ukuze sazi ukuba ningotîxo; ewe yenzani okulungileyo, nokuba kokubi, sikwanqiswe, sibonisane ngako.

24 Yabonani, ningabento engento, nomsebenzi wenu awu-ni ya-ni, ulisikizi oninyulayo.

25 Ndivuse owase-Ntla, weza, owasempumalanga onqula igama lam, uzifikela i-fuluneli njengodaka, njengombumbî exovula udongwe.

26 Ngubanina owakuxelayo oko kwa sekuqaleni, *makavele* sazi; nangenxa engapâmbîli, *makavele* sitî, Ulungisile. Hayi, akukô waxelayo; hayi, akukô uvakalisayo; hayi akukô wazivayo intetô zenu.

27 Ndim endaqala ndatî kwi-Tsiyon, Yabona, nanzo, ndayinika i-Yerusalem umshumayeli wendaba ezilungileyo.

28 Kuba ndakângela akwabikô bani; nakwaba, akwabikô bacebisi endingababuzayo, bapèndule ngezwi.

29 Yabona, bonke bepèla bayinto engento, yinto engekôyo izenzo zabo, imifanekiso yabo etyidiweyo ingumoya nocûku.

42 Siboneni-ke, isicaka sam endisixâsayo; umnyulwa wam, okôlwa nguye umpèfumlo wam; ndibeke umoya wam pèzu kwaso, siya kukupûmelelisa okusesikweni ezintlangeni.

Digitized by Google

2 Asiyi kunqangaza, silipâkamise silivakalise ezi-trateni izwi laso.
3 Ingcongolo evikivekileyo asiyi kuyapûla, umsonto oqûmayo asiyi kuwucima; siya kukupûmelelisa okusesikweni ngokwenyaniso.
4 Asiyi kuba nakucinywa, asiyi kuvikiveka, side sikumise okusesikweni emhlabeni, zilindele isiyalo saso iziqiti.
5 Utsho u-Tixo yena, u-Yehova, udala amazulu, awaneke; utwabulula umhlaba neziveliso zawo; unika abantu abapêzu kwawo ukupêfumla, unika abahambâ kuwo umoya,
6 Ukuti, Mna, Yehova, ndikubizile ngokobulungisa, ndakubambâ ngesandla; ndiyakukulondoloza, ndikwenze umnqopiso wabantu, isikânyiselo sentlanga,
7 Ukuba uvule amehlo emfama, ukuba ukûpê abakônxiweyo ekuvalelweni, abahleli ebumnyameni *ubakûpê* entolongweni.
8 Ndingu-Yehova, lilo elo igama lam, andiluniki omnye uzuko lwam, nendumiso yam andiyiniki imifanekiso eqingqiweyo.
9 Izinto zokuqala, yabona, zifikile; ndixela izinto ezintsha, ke zingekantshuli ndiyanivisa.

10 Vumani ku-Yehova ingoma entsha, indumiso yakê kwa sezipêlweni zomhlaba, nina bahla baye elwandle, nenzaliseko yalo, nina ziqiti nabemi bazo.
11 Mayipâkamise izwi intlango nemizi yayo ne-lali ezihleli ama-Kedare; mabamemelele abemi bengxondofa, batsholoze ezincotsheni zentaba.
12 Mabamzukise u-Yehova, baxele indumiso yakê eziqitini.
13 Ù-Yehova uya kupûma njengegofa, uya kuxôxâ ikwele njengendoda yokulwa; uya kuduma, ewe uya kunqangaza, uya kuba ligofa ezintshabeni zakê.
14 Kususela kwa-kude nditê-qutu, ndatî-tu, ndizibambîle; ngoku ndiya kubefuza njengozalayo, ndibe nepîka, ndifutê nokufutâ.
15 Ndobâfisa intaba nenduli, ndivitshise yonke imifuno yazo, imilambô ndiyenze iziqiti, ndiwatshise amadike;
16 Ndizihambîse imfama ngendlela ezingazaziyo, ndizinyatêlise kwingqushu ezingayaziyo; ubumnyama ndibenza ukukânya pâmbî kwazo, indawo ezimagqagala zibe zitâbazi; zizo ezo izinto endiya kuzenza, ndingazishiyi.
17 Baya kubuya umva, badane bedanile abakôlosa ngemifanekiso eqingqiweyo, abatî kwetŷidiweyo, Ningotîxo betû.

18 Yivani, zitûlu; bêkani nibone, zimfama.
19 Ngubanina oyimfama ingesiso isicaka sam? ositûlu njengomtûnywa wam endimtûmayo? ngubanina oyimfama njengenqogu, oyimfama njengesicaka sika-Yehova?
20 Sibona izinto ezininzi, asizigcini noko; sivula indlebe, asiva noko.
21 U-Yehova utânde ngenxa yobulungisa bakê ukusikûlisa isiyalo, wasenza sanobungangamsha.
22 Ke bona ngabantu abapângiweyo, abahlutiweyo, ababotshelelwe eminxûnyeni bonke bepêla, abafakwe ezintolongweni, baba lixôba, akwabikô mhlanguli; baba ngabahlutiweyo, akwabikô uti, Buyisa.
23 Ngubanina kuni oya kukubekela indlebe oko, abaze indlebe, eve emveni koku?
24 Ngubanina owamnikela u-Yakobi ekuhlutweni, owamnikela u-Sirayeli kubapângi? Asingu-Yehova-na, lowo sônayo kuye? abengavumanga ukuhambâ ngendlela zakê, abasipûlapûla isiyalo sakê.
25 Wampâlazela ngobushushu bomsindo wakê, nangamandla emfazwe; wamlenya ngomlilo ngenxa zonke, akakwazi noko; wamtshisa, noko akakunyamekela oko ngentliziyo.

43 Kaloku-ke utsho u-Yehova, u-Mdali wakô, Yakobi, u-Mbumbî wakô, Sirayeli, ukuti, Mus'ukoyika; ngokuba ndikukûlule ngokukuhlaulela; ndikubizile ngegama lakô, ungowam.
2 Xa utî uwele emanzini, ndoba nawe; nasemilanjeni, ayiyi kukuntywilisela; xa utî uhambê emlilweni, akuyi kufauka, nelangatye linga kutshisi.
3 Ngokuba mna-Yehova ndingu-Tixo wakô, mna Ngcwele ka-Sirayeli ndingumsindisi wakô; ndifole i-Yiputa ikucamagushele, i-Kushi ne-Seba zibe sesikûndleni sakô.
4 Ngenxa yokuba unqabile emehlweni am, uzukile, mna-ke ndikutândile, ndifola abantu esikûndleni sakô, nezizwe esikûndleni sobomi bakô.

Digitized by Google

5 Mus'ukoyika, ngokuba ndinawe; ndiya kuyizisa imbêwu yakô ivela empumalanga, ndikubutê nasentshonalanga.

6 Ndiya kuti kum-Ntla, Etê; nakum-Zantsi, Mus'ukutîntela; bazise onyana bam bevela kude, nentombî zam ezipêlweni zomhlaba;

7 Yonke into ebizwe ngegama lam, endiyidalele uzuko lwam, endiyibumbîleyo, endiyenzileyo.

8 Kûpâ abantu abazimfama benamehlo, nabazitûlu benendlebe.

9 Nonke zintlanga, butêlanani ndawonye, zihlangane izizwe. Ngubanina kuni onokukuxela oko? mabasivise izinto zangapâmbîli, mabamise amanqîna abo, bagwetyelwe; mabeve-ke abantu, batî, Yinyaniso.

10 Ningamanqîna am, utsho u-Yehova, nina nisicaka sam endisinyulileyo, ukuze nazi nikôlwe ndim, niqonde ukuba ndim; pâmbî kwam akubunjwanga tîxo, nasemva kwam akuyi kubakô namnye.

11 Mna-ke, mna ndingu-Yehova, akukô msindisi inge ndim,

12 Mna ndixelile, ndasindisa, ndabonisa, kungekô tîxo wumbî kuni; ningamanqîna am, utsho u-Yehova, ukuba ndingu-Tîxo.

13 Unanamhla ndinguye, akukô unokuhlangula esandleni sam; ndisebenza, ngubanina-ke onokubuyisa oko umva ?

14 Utsho u-Yehova, umkûluli wenu, Oyingcwele ka-Sirayeli, ukutî, Ngenxa yenu nditûmele e-Babeli, ukuba ndibahlise abasabayo bonke bepêla, nama-Kaledi, ezinqanaweni zokumemelela kwabo.

15 Mna-Yehova nding-Oyingcwele wenu, u-Mdali ka-Sirayeli, u-Kumkani wenu.

16 Utsho u-Yehova, umenzi wendlela elwandle, womendo emanzini anamandla;

17 Umkûpî wenqwelo nehashe, wempi nentshatshela, baya kulala bangavuki, betîle, bacimile njengomsonto wesibane: ukutî,

18 Musan' ukukûmbulâ izinto zangapâmbîli, ningakâtâleli ezamandulo.

19 Yabonani, ndiya kwenza into entsha, intshule ngoku; aniyi kuyazi-na? Inene, ndiya kwenza indlela entlango, nemilambô enkangala.

20 Izilo zasendle ziya kundizukisa, impungutye nenciniba; ngokuba ndenza amanzi entlango nemilambô enkangala, ukuze ndiseze abantu bam, abanyulwa bam.

21 Abantu endizibumbêleyo baya kubalisa indumiso yam.

22 Akundinqulanga-ke mna, Yakobi, ngokokude uzixâmle ngam, Sirayeli.

23 Akundiziselanga mpahla imfutshane yamadini akô anyukayo; akundizukisanga ngemibingelelo yakô. Andikukônzisanga ngeminikelo yokudla, andikudinisanga ngentlak'emhlope.

24 Akunditêngelanga mkânzi ngemali, akundihlutisanga ngamanqatâ emibingelelo yakô; hayi, undikônzise ngezono zakô, undidinisile ngobugwenxa bakô.

25 Mna ndinguye ocima iziŕeqo zakô ngenxa yam, ndingazikûmbûli izono zakô.

26 Ndikumbûze, masimangalelane; misa intetô yakô, ukuze ugwetyelwe.

27 Uyihlo wokuqala wôna, nabalamleli bakô bařeqa kum.

28 Ngako oko ndabancôlisa-ke abatêtêli abangcwele, ndamnikela u-Yakobi asingelwe pantsi, u-Sirayeli ukuba anyeliswe.

44 Kaloku-ke yiva, Yakobi sicaka sam, Sirayeli endikunyulileyo,

2 Utsho u-Yehova u-Menzi wakô, u-Mbumbî wakô kwa sesizalweni, u-Mncedi wakô, ukutî, Mus'ukoyika, sicaka sam Yakobi, Yeshurun endimnyulileyo.

3 Ngokuba ndiya kugalela amanzi pezu kwabanxaniweyo, nemiqukuqela yamanzi pêzu kwelizwe elomileyo; ndiya kugalela umoya wam pêzu kwembêwu yakô, nentsikelelo yam pêzu kwabapûme ezibilini ni zakô,

4 Bahlume pâkatî kotyani njengemincûluba ngasemisingeni yamanzi.

5 Omnye uya kutî, Ndingoka-Yehova; nomnye uya kunqula igama lika-Yakobi; kwanomnye uya kuzibâla ngesandla sakô ku-Yehova, alihlonipe igama lika-Sirayeli.

6 Utsho u-Yehova, ukumkani wakwa-Sirayeli, umkûluli wakô, u-Yehova wemikôsi, ukutî, Ndingowokuqala, ndingowokugqibela; akukô tîxo inge ndim.

7 Ngubanina oshumayela njengam—makaxele andicacisele—etâbatêla ekumiseni kwam abantu basendaleni? Izinto eziza-yo neziza kubakô mabazixele.

8 Musan' ukunkwantya, ningajijiteki; andikuvisanga-na kwanini, ndanixelela?

Digitized by

ningamanqĩna am. Ukô-na u-Tĩxo inge ndim? akukô liwa, andilazi mna.

9 Abayili bemifanekiso eqingqiweyo bonke bepêla balucûku, nento zabo ezinqwenelekayo azincedi nto; bona bangamanqĩna azo, ababoni, abazi, ukuze badane.

10 Ngubanina oyile utĩxo, watŷida umfanekiso onge nakunceda nto?

11 Yabona, onke amadlelane awo aya kudana, nencĩbi-ezo zezasebantwini; mababutêlane bonke bepêla, beme, bankwantye, badane kunye.

12 Incĩbi yesinyiti ilola inxôla, isebenza ngamalahle avutâyo, isiyila *isitĩxo* ngezando, isisebenza ngengalo yayo enamandla; kanjalo iyalambâ, ingabi namandla, ayiseli manzi, itŷafe.

13 Incĩbi yemitĩ yolula ulutya lokulinganisa, isibabula isiqu saso ngenxola, isilungisa ngezinto zokucwela, isibabula isiqu saso nge-kompas, isenze ngemfano yendoda, ngokobuhle bomntu, ukuba sihlale endlwini.

14 Ugaula imi-sedare, utâbatâ um-holem nom-oki, ukêtâ emitĩni yehlatĩ; utyala umpayine, imvula iwukûlise;

15 Ube yinto yokuba umntu apêmbê umlilo, atâbatê kuwo otê, upâtâ kuti abase umlilo, ose isonka, upâtâ kuti enze utĩxo, aqubude kuye, enze umfanekiso oqingqiweyo, asibekeke kuwo.

16 Inxalenye yawo uyitshisa emlilweni; inxalenye yawo uyidla inyama ngayo; wosa ose ahlute; ewe, uyotâ, atĩ, Halala! ndiyotâ, ndiv' umlilo.

17 Oseleyo kuwo awenze utĩxo, umfanekiso wakê oqingqiweyo, asibekeke kuwo, aqubude kuwo, atândaze kuwo, atĩ, Ndihlangule; ngokuba ungutĩxo wam.

18 Abazi, abaqondi; ngokuba avingciwe amehlo abo ukuba angaboni, ukuba intliziyo zabo zingaqiqi;

19 Banganyamekeli ngentliziyo zabo; kungabikô kwazi, kungabikô kuqonda, ukuba batĩ, Inxalenye yawo ndiyitshisile emlilweni; ewe ndosa isonka emalahleni awo; ndosa inyama, ndadla, oseleyo kuwo ndiya kuwenza amasikizi-na? ndisibekeke-na kwinto evele emtĩni?

20 Esukelana notâtâ-nje, intliziyo edepiselweyo imtyekisile kangangokuba angawuhlanguli umpêfumlo wakê, atĩ, Akukô buxoki-na esandleni sam sokunene?

21 Kûmbâla ezonto, Yakobi, Sirayeli, ngokuba usicaka sam; ndikubumbile, usicaka kum; Sirayeli, akuyi kulityalwa ndim.

22 Ndilucimile njengelifu elingqingqwa ureqo lwakô, nezono zakô njengelifu elisibekeleyo; buyela kum, ngokuba ndikukûlule ngokukuhlaulela.

23 Memelelani, mazulu, ngokuba u-Yehova ekwenzile; dumani, zinzulu zehlabati; gqabukani nimemelele, zintaba, hlatĩ nani nonke mitĩ ekulo; ngokuba u-Yehova emhlaulele wamkûlula u-Yakobi, ezihombĩsile ngo-Sirayeli.

24 Utsho u-Yehova umkûluli wakô, umbumbĩ wakô kwa sesizalweni, ukutĩ, Mna Yehova ndingu-Menzi wento zonke, u-Maneki wamazulu ndedwa, u-Mtwabululi womhlaba ndinge nabani;

25 Umtshitshisi wemiqondiso yabapololoza into enge yiyo, umgezisi wabavumisayo, umbuyisi wezilumko umva, umzulisi wokwazi kwazo,

26 Ummisi welizwi lesicaka sakê, umzalisi wecebo labatunywa bakê, unditĩ kwi-Yerusalem, Iya kumiwa, nakwimizi yakwa-Yuda, Iya kwakĩwa;

27 Ndiwamisa amanxuwa ayo; Unditĩ kumanzi enzonzobila, Yitshani, ndiyomise imilambô yako;

28 Unditĩ ku-Koresi, Ngumalûsi wam, oya kukuzalisa konke ukutânda kwam, atĩ kwi-Yerusalem, mayakĩwe; nakwi-tempile, mayisekwe.

45 Utsho u-Yehova kumtânjiswa wakê, ku-Koresi, endimbambê ngesandla sokunene, ukuba ndizinyatêle intlanga pâmbĩ kwakê; ndikûlule amanqe okumkani, ukuba ndizivule ingcango ezingambĩni, namasango angabi nakuvalwa, ukutĩ,

2 Ndiya kuhambâ pâmbĩ kwakô, ndilungelelanise indawo ezimaqûbu, ndiqêkeze ingcango zobêdu, ndixakaxe nemivalo yesinyiti,

3 Ndikunike ubuncwane obusemnyameni, nengqwebo ezisezintsitêlweni, ukuze wazi, ukuba mna Yehova ndinguló ukubize ngegama, u-Tĩxo ka-Sirayeli.

4 Ngenxa yesicaka sam u-Yakobi, u-Sirayeli umnyulwa wam, ndakubiza ngegama lakô, ndakutĩya namanye amagama, ungandazi.

Digitized by Google

5 Ndingu-Yehova, akukô wumbî, akukô tîxo inge ndim; ndakubînqa ungandazi,
6 Ukuze bazi, betâbatèla ekupûmeni kwelanga bese nasekutshoneni kwalo, ukuba akukô namnye inge ndim; ndingu-Yehova, akukô wumbî;
7 Ndingumenzi wokukânya, umdali wobumnyama, umenzi woxolo, umdali wobubi: mna Yehova ndingu-Menzi wezonto zonke.

8 Vuzisani, mazulu pèzulu, sikumezele ubulungisa isibâkabâka; mawuvuleke umhlaba, uqâme usindiso, uhlumise ubulungisa kunye: mna Yehova ndikudalile-oko.

9 Yeha-ke obambâna no-Menzi wakê! ligope emagopeni ezitya zomdongwe! Udongwe *lunokutî-na* kumbumbî walo, Wenza nto-nina? nomsebenzi wakô unokutîna, Akunazandla?
10 Yeha-ke otî kuyise, Uzalele nina? nakumfazi, Unanimbâ nganina?
11 Utsho u-Yehova, Oyingewele ka-Sirayeli, u-Menzi wakê, ukutî, Buzani kum into ezizayo; onyana bam nomsebenzi wezandla zam wuyalezeni kum.
12 Mna ndenza umhlaba, ndadala abantu pèzu kwawo; izandla zam mna lo zaneka amazulu, nomkôsi wawo wonke ndawuwisela umtêtô.
13 Mna ndimvelisile ngobulungisa, ndiya kuzilungelelanisa indlela zakê zonke. Yena uya kuwakâ umzi wam, abakûlule abafuduswa bam, kungafolwanga nani, kungafolwanga sicèngo, utsho u-Yehova wemikôsi.

14 Utsho u-Yehova ukutî, Ukuxelenga kwe-Yiputa nokuſweba kuka-Kushi nama-Seba, abafo abanewonga, kuya kuwelela kuwe kube kokwakô; baya kuhambâ emva kwakô, baya kuwela benemixokelelwane; baqubude kuwe, baya kutândaza kuwe, besitî, Inene, ukuwe u-Tîxo; akusekô tîxo, akukô nokuba abe mnye.
15 Inyaniso, ungu-Tîxo ozisitêlisayo, Tîxo ka-Sirayeli, Msindisi.
16 Baya kudana, kananjalo bahlazeke bonke bepêla; baya kuhambâ behlazekile kunye abazinclbi zezitîxo.
17 U-Sirayeli uya kusindiswa ngu-Yehova ngosindiso olungunapâkade; aniyi kudaniswa, aniyi kuhlazeka kude kuse emapâkadeni asepâkadeni.
18 Ngokuba utsho u-Yehova, u-Mdali wamazulu, (nguye u-Tîxo,) u-Menzi womhlaba, u-Mseki walo-ke, (yena walizinzisayo, akawudalelanga ukuba kube senyanyeni, wawubumbâ ukuba umiwe,) ukutî, Ndingu-Yehova, akukô wumbî.
19 Anditêtânga entsitêlweni endaweni emnyama yelizwe; anditshongo embêwini ka-Yakobi, ukutî, Ndifuneni enyanyeni. Mna Yehova nditêtâ ubulungisa, ndixela into etê-tye.
20 Butâni nize, sondelani kunye, nina basindileyo basezintlangeni; abanakwazi abatſwali bomtî womfanekiso wabo oqingqiweyo, abatândazi botîxo ongasindisiyo.
21 Xelani, nifikise; ewe mabacebisane kunye, ukutî, Ngubanina owavisa oko kwabamandulo, owakuxelayo kwanini? asindim-na Yehova? ekungekô tîxo wumbî inge ndim. Utîxo onobulungisa osindisayo, akakô inge ndim.
22 Bêkani kum, nisindiswe, nonke zipêlo zomhlaba; ngokuba ndingu-Tîxo, akukô wumbî.
23 Ndizifungile, ilizwi lipûme emlonyeni ngobulungisa, aliyi kuguqulwa, litê, Aya kuguqa kum onke amadolo, zifunge mna zonke ilwimi.
24 Kutîwe ngokubêkisele kum, ku-Yehova yedwa bulungisa namandla, kuyiwa kuye; baya kudana bonke abavutâ ngomsindo ngaye.
25 Ngo-Yehova iya kugwetyelwa iqâyise yonke imbêwu ka-Sirayeli.

46 U-Bele uyaguqa, u-Nebo uyabânyalaza; izitîxo zabo zibekwe emaqêgwini nasezinkomeni ezitsalayo; ezibenizitſwala, zibotshiwe, zingumtſwalo kwizinto ezityafileyo.
2 *Izitîxo* zabânyalaza, zaguqa kunye, azabi nakuzisiza ekutſwalweni, ke inqu yazo yaya ekutînjweni.

3 Pûlapûlani kum, ndlu ka-Yakobi, nonke masalela endlu ka-Sirayeli, nina nabekwayo pèzu kwam kwasesiswini, nina natſwalwayo ndim kwasesizalweni;
4 Kude kuse ebudaleni ikwa ndim, kude kuse ezimvini ndiya kunityatâ emagxeni mna. Ndikwenzile mna, ndiya kunitſwala mna, ndiya kunityatâ emagxeni mna, ndinisize.
5 Ninokundifanisa, nindilinganise, nindinxulumise nabanina ukuba sifane?

Digitized by Google

6 Bona bawohloza i-golide enxôweni, balinganise i-silvere nge-skali, baqesha umnyibilikisi, ayenze isitîxo; basibekeke, ewe baqubude.

7 Bayasitwalâ, basityatê emagxeni, basibeke pântsi endaweni yaso, sime; asibuye sisuke kulondawo yaso; ewe bayakâla kuso, singapênduli, asisindisi bani embandezelweni yakê.

8 Kûmbûlani oko, nibe ngamadoda; kunyamekeleni ngentliziyo, nina barеqileyo.

9 Kûmbûlani izinto zangapâmbîli zasepâkadeni, okokuba ndingu-Tîxo, akukô wumbî; ndingu-Tîxo, akukô namnye unjengam;

10 Ukuxelayo kwasekuqaleni okungasemva, nakwabamandulo okungekenzeki, ndisitî, Icebo lam liya kuma, ndikwenze konke ukutânda kwam;

11 Ndibiza ukôzi empumalanga, indoda yecebo lam ezweni elikude; nditshilo, ewe ndiya kukufeza; ndiyilile, ewe ndiya kukwenza.

12 Pûlapûlani kum, nina bantliziyo ilukûni, bakude nobulungisa.

13 Ndisondeza ubulungisa bam, abuyi kuba kude, nosindiso lwam aluyi kulibala, ndinika usindiso e-Tsiyon, uzuko lwam ku-Sirayeli.

47 Yihla, uhlale elutûlini, nkazana-ndini, ntombî engu-Babeli; hlala pântsi emhlabeni unge na-trone, ntombî engama-Kaledi; ngokuba akusayi kuba satîwa uyimvoco noxâmla ubuncwane.

2 Tâbatâ amatye, usile umgubo; bênqa isigqubutêlo sakô, finyezela pêzulu, tŷila umlenze, wela imilambô.

3 Mabutŷileke ubuzé bakô, kubonakale nokungcikiveka kwakô; ndiya kupîndezela, andiyi kubuka mntu.

4 Umkûluli wetû, igama lakê ngu-Yehova wemikôsi, Oyingcwele ka-Sirayeli.

5 Hlala utî-cwaka, ungene emnyameni, ntombî yama-Kaledi; ngokuba akuyi kuba sabizwa ngokuba yinkosikazi yezikumkani.

6 Ndaba nobufalafume kubantu bam, ndalincôlisa ilifa lam, ndabanikela ezandleni zakô; akwaba namfesane kubo; napêzu kwamadoda amakûlu wayenza yanzima kakûlu i-dyokwe yakô;

7 Ubusitî, Ndiya kuba yinkosikazi ngonapâkade, wada akwakunyamekela oko ngentliziyo, akwalikûmbûla ikamva lakô oko.

8 Kaloku-ke yiva oku, wena mxâmli weziyolo, uhleliyo ukôlosile, wena utî entliziyweni yako, Ndim kwapêla, akukô wumbî; andiyi kuhlala ndingumhlolokazi, andiyi kukwazi ukungabi nabantwana.

9 Ziya kukuzela ezonto zombîni ngepânyazo ngamini nye: ukungabi nabantwana nobuhlolokazi; ziya kukuzela ngokugqibelela kwazo ebuninzini bokukâfula kwakô, enkitêni eninzi yomabopê bakô.

10 Ngokuba ukôlose ngezinto zakô ezimbî, watî, Akukô undibonayo; ubulumko bakô nokwazi kwakô kukô okukupâmbânisileyo; watî entliziyweni yakô, Ndim kwapêla, akukô wumbî.

11 Bukuzele-ke ububi, ungakwazi ukubunyanga; ikuwele inkohlakalo, ungabi nakô ukuyicamagushela; ikuzele ngesiqupê intshabalala ongayaziyo.

12 Kâumise ngomabopê bakô, nangokukâfula kwakô okuninzi, ozixâmle ngako kwa sebuncinaneni bakô; mhlaumbî ungaba nokunceda, mhlaumbî ungaba nokweyisa.

13 Udiniwe buninzî bamaqinga akô; mabamise kaloku, bakusindise onocanda bamazulu, ojong'inkwenkwezi, abakwazisayo ekutwaseni kwenyanga ngenyanga izinto ezikuzelayo.

14 Yabona, basuke banjengendiza; umlilo ubatshisile; abanakuwuhlangula umpêfumlo wabo emandleni elangatye; akukô lahle lokuzifudumeza, akukô mlilo ungahlalwa pâmbî kwawo.

15 Boba njalo kuwe abo uzixâmle ngabo, ababefwebelana nawe kwa sebuncinaneni bakô; elowo uya kundwendwela ecaleni lakê, kungabîkô ukusindisayo.

48 Yivani oko, ndlu ka-Yakobi, enibizwayo ngegama lika-Sirayeli, enapûmayo emanzini ka-Yuda; nina nilifungayo igama lika-Yehova, nimkânkanye u-Tîxo ka-Sirayeli, kunge nganyaniso, kunge ngabulungisa.

2 Ngokuba bezibiza ngokuti ngabomzi ongcwele, bazixâse ngo-Tîxo ka-Sirayeli, ogama lakê lingu-Yehova wemikôsi.

3 Izinto zangapâmbilî ndazixela kwanini; zapûma emlonyeni wam, ndazibonakalalisa; ndazenza ngesiqupê, zabakô.

4 Ngokukwazi kwam ukuba ulukûni, ne-

Digitized by Google

ntamo yakô ingumsipa wesinyiti, nebunzi lakô lilubêdu;

5 Ndakuxelela ezonto kwanini; zingekafiki ndakuvisa, hleze uti, Isitîxo sam sizenzile, umfanekiso wam oqingqiweyo notŷidiweyo uzimisile.

6 Uvile; zikângele zonke zipêla; wena akunakuzixela-na-ke? Ndiya kukuvisa izinto ezintsha nezifihlakeleyo nobungazazi.

7 Zidalwa ngoku, *azidalwanga* kwanini; ingekabikô lemini ubungaziva, hleze utî, Yabona, bendizazi.

8 Ubungaziva; ubungazazi; ibingavulekile indlebe yakô kwanini; kuba bendisazi, ukuba uya kunginiza unginizile, kutîwa ungumŕeqi kwasesizalweni ukubizwa kwakô.

9 Ngenxa yegama lam ndizeka kade ukuba nomsindo, nangenxa yendumiso yam ndiwubambe ngakuwe, ukuze ndingakunqumli.

10 Uyabona, ndikunyibilikisile, akwabi ngokwe-silvere; ndakucikida eziko lentsizi.

11 Ndikwenza oko ngenxa yam, ngenxa yam (hayi ukuhlanjelwa *kwegama lam!*) andiluniki wumbî uzuko lwam.

12 Pûlapûla kum, Yakobi, Sirayeli mbizwa wam; ndim, ndingôwokuqala, ewe ndingowokugqibela;

13 Ewe isandla sam siseke umhlaba, esokunene sam saneke amazulu; nditî ndakuzibiza ezonto, zime kunye.

14 Zihlanganiseni nonke nipêla, nive; ngubanina pâkatî kwezitîro owazixelayo ezonto? Umtândwa ka-Yehova uya kukwenza ukutânda kwakê kwi-Babeli, nengalo yakê ikwenze kuma-Kaledi.

15 Mna nditshilo, ewe ndimbizile, ndimzisile, inempumelelo indlela yakê.

16 Sondelani kum, nive oku. Anditêtânga entsitêlweni kwasekuqaleni; kususela kwixesha lokwenzeka kwakô oko ndilapâ; nangoku i-Nkosi u-Yehova inditûmile nomoya wayo.

17 Utsho u-Yehova umkûluli wakô, Oyingcwele ka-Sirayeli, ukutî, Mna Yehova Tîxo wakô, ndingokufundisa okungakunyusayo ndikunyatêlise ngendlela oya kuhambâ ngayo.

18 Akwaba ubuyibazele indlebe imitêtô yam! beluya kuba njengomlambô uxolo lwakô, nobulungisa bakô bube njengamaza olwandle;

19 Ibiya kuba njengentlabati imbêwu yakô, abapûma ezibilinini zakô *babe* njengamasuntsu ayo; belingayi kunqunyulwa litshabalale igama labo ebusweni bam.

20 Pûmani e-Babeli, sabani kwelama-Kaledi; ninezwi lokumemelela, kuxeleni, kuvakaliseni oku, kuhlabeleni kuye nasezipêlweni zomhlaba; yitîni, U-Yehova usikûlule ngokusihlaulela isicaka sakê u-Yakobi.

21 Abanxanwanga, ebahambîsa engqaqasini; wabatsitsisela amanzi eweni, wacanda iliwa, atsaza amanzi.

22 Akukô luxolo kwabangendawo, utsho u-Yehova.

49 Pûlapûlani kum, ziqitî; bazani indlebe, zizwe zikude; u-Yehova undibize kwasesizalweni, ulikânkanye kwasezibilinini zikamá igama lam.

2 Wawenza umlomo wam wanjengerele elibukâli, wandizimeza esitûnzini sesandla sakê, wandenza utolo olubazileyo, wandisitêlisa empôngolweni;

3 Watî kum, Usisicaka sam, wena Sirayeli, endiya kuhombâ ngaso.

4 Ndatî mna, Ndifumane ndazixâmla, ndawapêlisa amandla am ngocûku nangento engento; noko ibango lam liku-Yehova, nomvuzo wam uno-Tîxo wam.

5 Kaloku-ke utî u-Yehova, owandibumbâ kwasesizalweni, ukuba ndibe sisicaka kuye sokubuyisela u-Yakobi kuye, u-Sirayeli ahlanganiselwe kuye; (ndizukile emehlweni ka-Yehova, u-Tîxo wam waba ngamandla am;)

6 Utî-ke, Kuyinto elula ukuba ube sisicaka kum sokumisa izizwe zakwa-Yakobi, ubuyise abalondolozwa baka-Sirayeli; kananjalo ndiya kukwenza isikânyiso sen-Tlanga, ukuba ube lusindiso lwam ude use ezipêlweni zomhlaba.

7 Utsho u-Yehova, umkûluli ka-Sirayeli, Oyingcwele wakê, kompêfumlo udelekileyo, kongamasikizi ezintlangeni, kumkônzi wezilauli, ukutî, Okumkani baya kubona, basuke beme, nabatêtêli babone, baqubude ngenxa ka-Yehova onyanisekileyo, Oyingcwele ka-Sirayeli, ngokokuba ekunyule.

8 Utsho u-Yehova ukutî, Ngexesha elamkelekileyo ndikupêndule, ndakunceda ngemini yosindiso; ndiya kukubumbâ, ndikunike ukuba ube ngumnqopiso waba-

Digitized by Google

ntu, ukuba ulimise ilizwe, ukuba uwabe amafa angamanxuwa;
9 Utî kubabanjwa, Pûmani, kwabasemnyameni, Velani. Baya kudla ngokomhlambî ezindleleni, amadlelo abo abekô naseluqayini lonke.
10 Abayi kulambâ, abayi kunxanwa, abayi kubetŵa sisangá nalilanga; ngokuba onemfesane kubo uya kubaqûba, abatûndezele emanzini ampompozayo;
11 Ndizenze zonke intaba zam zibe zindlela, upâkame umendo wam.
12 Yabona, aba bavela kude; yabona, aba baya kuvela kwelase-Ntla nase-lwandle, aba bavela ezweni lama-Sini.
13 Memelelani, mazulu; gcoba, mhlaba; gqabukani nimemelele, zintaba; ngokuba u-Yehova ubatûtûzele abantu bakê, unemfesane kwabazintsizana zakê.
14 Ke yatî i-Tsiyon, U-Yehova undishiyile, i-Nkosi yandilibala.
15 Umfazi angalulibala yinina usana lwakê, ukuba angabi namfesane kunyana wesizalo sakê? Nokuba onina abo batê balibala: andiyi kukulibala mna.
16 Uyabona, ndikuvambîle ezintendeni zezandla zam; indonga zakô zihlala zimi pâmbî kwam.
17 Onyana bakô bayakâuleza, bayeza; abagungxuli bakô nabacîtî bakô bayapûma kuwe.
18 Pâkamisa amehlo akô ngenxa zonke, ubone; bonke bepêla bayahlanganisana beza kuwe. Ndihleli-nje, utsho u-Yehova, uya kubanxiba bonke bepêla njengezivatô, ubabînqe ngokombînqo womtshakazi.
19 Ngokuba amanxuwa akô la nendawo zakô ezigungxuliweyo nelizwe lakô elicîtâkeleyo—inene, ngoku uya kuxinana ngabemi kulo, babe kude abaginyi bakô.
20 Basaya kutî ezindlebeni zakô onyana bakô obubahlutiwe, Indawo ixinene kum, ndikŵelele, ndihlale;
21 Utî entliziyweni yakô, Ngubanina lo undizalele aba? mna bendihlutiwe abantwana-nje, ndaludlolo, ndafuduswa, ndagxotŵa; ke aba bakûliswe ngubanina? Uyabona, mna bendisele ndedwa, aba babe pîna?

22 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uyabona, ndisipâkamisela ezintlangeni isandla sam, ndiyinyusele ezizweni i-banile yam, zibazisa-ke onyana bakô zibawole ngengalo, nentombî zakô zitŵelwe ngamagxa;
23 Okumkani babe ngabondli bakô, namakôsikazi abo abe ngabanyisi bakô; baya kuqubuda kuwe bese ubuso emhlabeni, bakôtê utûli lwenyawo zakô; wazi-ke ukuba ndingu-Yehova, obatêmbî bakê bangayi kudana.
24 Anokutâtyatŵa-na amaxôba kwigofa, basinde-na abatînjiweyo bengamalungisa?
25 Inene, utsho u-Yehova ukutî, Nabatînjwe ligofa baya kutâtyatŵa, namaxôba omngcangcazelisi aya kusinda; ke obambâna nawe mna ndiya kubambâna naye, ndibasindise mna onyana bakô;
26 Abakuxinzelela pântsi ndibadlise eyabo inyama, banxiliswe lelabo igazi ngatî kunge-wayini entsha; yazi inyama yonke, ukuba mna Yehova ndingumsindisi wakô, ukuba umkûluli wakô ng-Onamandla ka-Yakobi.

50 Utsho u-Yehova ukutî, Ipîna incŵadi yokwaliwa kukanyoko, endamgxotâ ngayo? Kôna kwabandibolekayo upîna lowo ndatêngisa ngani ngenxa yobugwenxa benu; wagxotŵa unyoko ngenxa yeziŕeqo zenu.
2 Yinina, ukuba ndifike, kungekô mntu? ndibize, kungabikô usabelayo? Sifutshane kakûlu-na isandla sam ukuba singakûluli? akakô-na kum amandla okuhlangula? Yabonani, ngokukâlima kwam ndomisa ulwandle, imilambô ndiyenza intlango; ziyabola intlanzi zayo, ngokuba kungekô manzi, ziyafa kunxanwa;
3 Ndambêsa amazulu ngezimnyama zokuzila, ndenze eziŕwexayo isigubungelo sawo.

4 I-Nkosi u-Yehova indinike ulwimi lwabafundileyo, ukuze ndikwazi ukuzimasa otŷafileyo ngelizwi. Ivusa imiso ngemiso, indivusela indlebe ukuba ndive ngokwabafundileyo.
5 I-Nkosi u-Yehova indivule indlebe; ke mna andenza zinkani, andabuya umva.
6 Ndawunikela umhlana wam kubabetî, nezidlele zam kubadlatuli bendevu; andibusitêlisanga ubuso bam ehlazweni nasekutshicelweni.
7 Ke i-Nkosi u-Yehova iya kundinceda; ngenxa yoko andihlazekanga; ngenxa yoko ndabenza ubuso bam banjengeqŵita, ndazi ukuba andikudana.
8 Usondele ondigwebelayo; ngubanina

Digitized by Google

oya kubambâna nam? masime ndaweni nye; ngubanina unmangaleli wam? makeze kum.

9 Uyabona, i-Nkosi u-Yehova iya kundinceda; ngubanina yena oya kundigweba? Yabona, bonke bepêla baya konakala njengengubo, amanundu aya kubadla.

10 Ngubanina kuni owoyika u-Yehova, opûlapûla izwi lesicaka sakê? Ohambâ emnyameni kungabi mhlope kuye, makakólose ngegama lika-Yehova, ayame ku-Tixo wakê.

11 Yabonani, nonke nipêla, nina bapêmbâ umlilo, baxôbe intolo ezinomlilo, hambâni niye elangatyeni lomlilo wenu, nasezintoleni ezinomlilo enizivutîsileyo. Ke esandleni sam nantsi into eniya kuyizuza; niya kulala pântsi ninembûlaleko.

51 Pûlapulani kum, nina babusukelayo ubulungisa, bamfunayo u-Yehova; bekani eweni enaxôlwa kulo, nasesigingqini somhadi enembîwa kuwo.

2 Bekani ku-Abraham uyihlo, naku-Sara owanizalayo; kuba waye mnye ndakumbiza, ndakumsikelela, ndakumandisa;

3 Ngokuba u-Yehova uyitûtûzele i-Tsiyon, uwatûtûzele onke amanxuwa ayo, wayenza intlango yayo yanjenge-Eden, nenqantosi yayo yanjengomyezo ka-Yehova; kufumaneka imihlali nemivuyo kuyo, imibulelo nezwi lohadi.

4 Ndibazeleni indlebe, bantu bam; ndibekeleni indlebe, sizwe sam; ngokuba isiyalelo siya kupûma kum, ndilizinzise isiko lam, ukuba libe sisikânyiso sezizwe.

5 Busondele ubulungisa bam, lupûmile usindiso lwam, ingalo zam ziya kugweba izizwe; iziqiti zitêmbêle kum, zilindele engalweni yam.

6 Pâkamiselani emazulwini amehlo enu, nibêke nasemhlabeni pântsi; ngokuba amazulu aya kutî-shwaka njengomsi, wonakale umhlaba njengengubo, nabemi bawo bafe ngokunjalo, lube ngonapâkade usindiso lwam, bungaqôtywa ubulungisa bam.

7 Pûlapûlani kum, nina nibaziyo ubulungisa, bantu banesiyalo sam entliziyweni yabo; musan' ukukoyika ukungcikiva kwabafo, ningaqîpuk' umbilini kunyelisa kwabo.

8 Kuba amanundu aya kubadla njengengubo, umbungu ubadle njengoboya begusha; ke bona ubulungisa bam buya kuba ngunapâkade, nosindiso lwam lube kwizizukulwana ngezizukulwana.

9 Vuka, vuka, nxiba amandla, ngalo ka-Yehova; vuka njengokwemihla yamandulo, njengokwezizukulwana zapâkade. Asinguwe-na lowa wacîtâ u-Rahabi, wayihlaba ingwenya?

10 Asinguwe-na lowa womisa ulwandle, amanzi enzonzobila enkulu; inzulu zolwandle wazenza indlela yokuwela abahlaulelweyo?

11 Ke abakûlulwa baka-Yehova bayakubuye babuye beze e-Tsiyon bememelela, benovuyo olungunapâkade pêzu kwentloko zabo; baya kufumana imihlali nemivuyo, sisabe isinqâla nokuncwina.

12 Mna ndinguye umtûtûzeli wenu; ungubanina wena ukuba woyike umfo oza kufa, nonyana womntu owenziwe wanga yincâ;

13 Ukuba umlibale u-Yehova u-Menzi wakô, umaneki wamazulu, umseki womhlaba; ukuba uhlale unkwantya imini yonke bubushushu bombandezeli, ngokokuba exunela ukonakalisa; bupîna-ke ubushushu bombandezeli?

14 Ogotyiweyo ngamakâmandela wobehle akûlulwe, angafeli esihogweni, angasisweli isonka sakê.

15 Ndingu-Yehova u-Tixo wakô-nje, umlatyuzisi wolwandle, agqume amaza alo, ogama lakê lingu-Yehova wemikôsi.

16 Ndiwabekile amazwi am emlonyeni wakô, ndakugubungela ngesitûnzi sesandla sam, ukuba ndityale amazulu, ukuba ndiseke umhlaba, ukuba nditî kwi-Tsiyon, Ningabantu bam.

17 Zivuse, zivuse, suk'ume, Yerusalem, wena uyiseleyo esandleni sika-Yehova indebe yobushushu bakê; uyisele wayifinca indebe enombilini ehexisayo.

18 Bekungekô namnye uyitûndezayo i-Yerusalem pâkatî konyana bonke, eyabazalayo; bekungekô namnye uyibambê ngesandla pâkatî konyana bonke, eyabakulisayo.

19 Zazimbîni izinto ezakuhlelayo; ngu-

Digitized by Google

banina owakukûzayo? yimbûqo nokwapûka, yindlala neřele; bendingatî-nina ukukutûtûzela?

20 Onyana bakô bawa isiduli, balala emantloko ezi-trate zonke, njengeula-eli libanjisiweyo; bengabazele bushushu buka-Yehova, kukukâlima ko-Tîxo wakô.

21 Ngako oko kâuve lento, wena uludwayinge unxilayo kodwa kunge ngayo iwayini;

22 Itsho i-Nkosi yakô u-Yehova, u-Tîxo wakô obatětělelayo abantu bakě, ukutî, Yabona, ndiyayitâbatâ esandleni sakô indebe ehexisayo, indebe enombilini yobushushu bam; akusayi kupînda usele kuyo;

23 Ndiyibeke esandleni sabakwenza isinqâla, ababesiti kumpěfumlo wakô, Qubuda, sigqitě, waza wena wawenza umhlana wakô wanjengomhlaba, wanjengesi-trate kwabagqitâ pězu kwawo.

52 Vuka, vuka, nxiba amandla akô, Tsiyon; nxiba ingubo zakô zokuhombâ, Yerusalem, mzi ungcwele; kuba akuyi kubasapînda kungene kuwe ongalukanga noyinqambî.

2 Zivutûlule utûli; suk'ume, hlala pântsi, Yerusalem; zikûlule mbôpêlelo zentamo yakô, mtînjwa, ntombî engu-Tsiyon.

3 Ngokuba utsho u-Yehova, ukutî, Kwatêngiswa ngani ngelizé; aniyi kuhlaulelwa nikûlulwe ngemali.

4 Kuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Abantu bam behla baya e-Yiputa ekuqaleni, ukuba bapâmbûkele kôna, ke ama-Asuri abacudisa kungekô sizatû;

5 Kaloku-ke yinto-nina enam apâ? utsho u-Yehova; ngokuba abantu bam batâtyatwa ngelizé? abalauli babo bayabômbôloza, utsho u-Yehova, igama lam lihlala ligitywa imini yonke.

6 Ngako oko abantu bam baya kulazi igama lam; ngako oko ngalomini *baya kwazi*, ukuba ndinguye lowa utî, Ndingokôyo.

7 Hayi ukuba zintle kwazo ezintabeni inyawo zabashumayela indaba ezimnandi, zabavakalisa uxolo, zabashumayela indaba ezilungileyo, zabavakalisa usindiso; zabatî kwi-Tsiyon, Uyalaula u-Tîxo wakô!

8 Pûlapûla izwi lababoniseli bakô. Balipâkamisa izwi kunye, bayamemelela; ngokuba bekubona iliso kwiliso ukuyibuyisa kuka-Yehova i-Tsiyon.

9 Gqobokelani ekumemeleleni kunye, manxuwa ase-Yerusalem; ngokuba u-Yehova ubatûtûzele abantu bakě, uyihlaulele wayikûlula i-Yerusalem.

10 U-Yehova uyihlubile ingalo yakě engcwele emehlweni entlanga zonke; ziyalubona-ke zonke izipêlo zomhlaba, usindiso lo-Tîxo wetû.

11 Mkani, mkani, pûmani apô; musan' ukupâtâ nto iyinqambî; pûmani pâkatî kwayo; zenzeni nyulu, nina batwali bempahla zika-Yehova.

12 Ngokuba aniyi kupûma bupûtûpûtû, nihambě ngokusaba; kuba u-Yehova uhambâ pâmbî kwenu, umqoshelisi wenu ngu-Tîxo ka-Sirayeli.

13 Yabonani, umkônzi wam uya kwenza ngengqiqo, uya kupâkama, atî-gqi, anyuke kakûlu.

14 Kwa njengokuba babemangaliswa nguwe abaninzi, (ibinje ukonakala imbônakalo yakě ukude ingabi yeyomntu nesitômo sakě ukude singabi sesonyana baka-Adam;)

15 Ngokunjalo uya kubetâ zitî-makata intlanga ezininzi, ngenxa yakě okumkani baya kutî-kamnqa; ngokuba baya kukubona abangazanga bakubaliselwe, bakugqale abangazanga bakuve.

53 Ngubanina okôliweyo ludaba lwetû, nengalo ka-Yehova itŷileke kubanina?

2 Kuba yena *umkonzi* unyuka njengegatya pâmbî kwakě, njengehlumelo elipûma ezweni elingumqwebedu, enge nasitômo nabungangamela; sakukângela, akwabikô kubonakala kwakuba simnqwenele.

3 Udeliwe ushiyiwe ngabantu; yindoda enentlungu, eqêlene nesifo; unjengokusitêliswa kuye ubuso, udeliwe, tina-ke asambêka.

4 Okwenene, uzitâbatêle pězu kwakě izifo zetû, watwala intlungu zetû, ke tîna besiba ungobandezelwayo ngu-Tîxo, ungocinezelwa nguye.

5 Kanti yena uhlatywe ngenxa yeziřeqo zetû, watyunyuzwa ngenxa yezenzo zetû ezigwenxa; ubetô lokuba sibe noxolo belupězu kwakě; sipîliswe ngemivumbô yakě.

6 Tina sonke salahleka njengegusha, sa-

Digitized by Google

bêka elowo endleleni yakê, waza u-Yehova wamwela ngobugwenxa betû sonke.

7 Wakândaniswa, ezitôbile; engawuvuli umlomo wakê njengemvana esiwa ekuxêlweni, nanjengegusha esidenge pâmbî kwabacêbi bayo, akawuvula umlomo wakê.

8 Utâtyatwe ekuxinweni nasematyaleni; esizukulwaneni sake ngubanina owatêlekelela, ukutî, unqanyulwe ezweni labapîlileyo, ubandezelwe ngenxa yesireqo sabantu bakowetû?

9 Lamiswa kwabangendawo incwaba lakê,—ke laba nosityebi, akuba efile; ekubeni engenzanga lugonyamelo, kungabangakô nkohliso emlonyeni wakê.

10 U-Yehova-ke watânda ukumtyumza nokumvisa isifo. Ukuba utê umpêfumlo wakê wawenza idini letyala, woyibona imbêwu yakê, abe nemihla emide; ukutânda kuka-Yehova kube nempumelelo ngesandla sakê.

11 Ngokwapûka kompêfumlo wakê wobona aneliswe; ngokwazi kwakê umkônzi wam olilungisa uya kugwebela abaninzi, atwale yena izenzo zabo ezigwenxa.

12 Ngako oko ndiya kumahlulela isahlulo nabakûlu, alabe nabanegunya ixôba, ngetûba lokuba ewuminyele ekufeni umpêfumlo wakê, wavuma ukubalelwa kubareqi, akubon'ukuba usitâbatîle pezu kwakê isono sabaninzi, ebatândazele abareqi.

54 Mémelela, ludlolo lungazaliyo; gqabuka umemelele, utsholoze wena unge nanimbâ; ngokuba baninzi abantwana besishiywa ngapêzu kwabantwana bonendoda, utsho u-Yehova.

2 Yenze banzi indawo yen-tente yakô, uwatwabulule amalengalenga eminquba yakô, ungatînteli; zolule izintya zakô, uziqinisele izikônkwane zakô.

3 Kuba uya kutyobozela ekunene nasekôhlo, imbêwu yakô izidle ilifa intlanga, iyime imizi ebi ngamanxuwa.

4 Mus'ukoyika, ngokuba akuyi kudana; mus'ukudideka lihlazo, ngokuba akuyi kuba nazintloni. Ngokuba ukudana kobuntombi bakô uya kukulibala, ungcikivo lobuhlolokazi bakô ungabi salukûmbûla.

5 Ngokuba indoda yakô ngu-Menzi wakô, ogama lakê lingu-Yehova wemikosi; ngumkûluli wakô, ng-Oyingcwele ka-Sirayeli, ekutîwa ngu-Tîxo womhlaba wonke.

6 Ngokuba u-Yehova ukubize njengomfazi obeshiyiwe, omoya ubulalekileyo, njengomfazi wobutsha, xeshikweni ebetê wacekiswa, utsho u-Tîxo wakô.

7 Ndakushiya okwepânyazo elincinane, ndiya kukubutâ ngemfesane enkulu.

8 Ngomkûkula wobufalafume ndabusitêlisa ubuso bam kuwe okwepânyazo; ndiya kuba nemfesane kuwe ngenceba engunapâkade, utsho umkûluli wakô u-Yehova.

9 Ngokuba injengonogumbê ka-Nowa lento kum; oko ndafungayo ukuba amanzi ka-Nowa akayi kuba sahambâ pezu komhlaba, ngokunjalo ndifungile ukuba andiyi kuba nabufalafume kuwe, ndingakukâlimeli.

10 Ngokuba zingade zemka intaba, nenduli zishukume; yona inceba yam ayiyi kumka kuwe, ungashukumi nomnqopiso wam woxolo, utsho onemfesane kuwe, u-Yehova.

11 Wena lusizana upêtshetwayo unge nantutûzelo, yabona, ndiwabeka amatye akô kwi-stibiya, ndikuseka nge-safire;

12 Ndilumise uqoqo lwakô nge-rubi, namasango akô ngamatye abengezelayo, nemida yakô yonke ngamatye anqabileyo;

13 Bonke abantwana bakô babe ngabafundi baka-Yehova, lube lukûlu uxolo lwabantwana bakô.

14 Uya kuzinza ngobulungisa; ungakê uxâle, ngokuba akuyi kuba nakoyika; ungakê uqîpuk' umbilini, ngokuba akuyi kusondela kuwe.

15 Yabona, bayaqukana bahlanganisane, andikô mna kulonto; nokuba ngobanina abaya kuqukana ngawe? baya kuwa ngenx'enawe.

16 Yabona, mna ndadala incîbi efutâ umlilo wamalahle, ivelise impahla ngokweshishini layo; kwa mna ndadala nomonakalisi wokuyonakalisa.

17 Zonke izixôbo ezikândelwa ukulwa nawe azikuba nampumelelo; zonke ilwimi ezimelene nawe ematyaleni uya kuzigweba. Lilo eli ilifa lezicaka zika-Yehova, nobulungisa bazo obupûma kum, utsho u-Yehova.

55 Wenânî! nonke nina ninxaniweyo, yizani emanzini, nabange namali; yizani, tengani nidle; yizani, tengani i-

Digitized by Google

wayini namasi, ninge nani, ninge namali.

2 Yinina ukuba nilinganisele imali ngento engesonka, nokuxelenga kwenu ngento engahlutisiyo? Pûlapûlani kum ninyameke, nidle okulungileyo, umpêfumlo wenu uxâmle ukutyeba.

3 Tôbani indlebe zenu, nize kum; yivani, upîle umpêfumlo wenu; ndenze umnqopîso ongunapâkade nani, inceba zika-Davide ezinyanisekîleyo.

4 Yabona, ndimenze inqîna ezizweni, ingânga nomwisi-mtêtô ezizweni.

5 Yabona, uya kubiza uhlanga ongalwaziyo, uhlanga olungakwaziyo wena, lugidimele kuwe ngenxa ka-Yehova u-Tîxo wakô, ngenxa y-Oyingcwele ka-Sirayeli, ukuba ekuhombîsile.

6 Funani u-Yehova, esenokufumaneka; mbizeni, esekufupî.

7 Ongendawo makashiye indlela yakê, nendoda enobutshinga mayishiye ingcinga zayo, *ibuyele* ku-Yehova: woba nemfesane kuyo; ibuyele ku-Tîxo wetû, ngokuba woxolela ngokukûlu.

8 Kuba ingcinga zam asizizo ingcinga zenu, nendlela zenu asizizo indlela zam, utsho u-Yehova;

9 Inene, izulu liwupâkamele umhlaba, ngokunjalo indlela zam zizipâkamele indlela zenu, nengcinga zam zizipâkamele ingcinga zenu.

10 Kuba njengokuba kusihla imvula nekêpu ezulwini, ingabuyeli kulo, ingatânga iwunyakamise umhlaba uvunde, jwuhlamise iwenze untshule, imnike imbêwu umhlwayeli, imnike isonka odlayo:

11 Liya kuba njalo ilizwi lam elipûma emlonyeni wam; aliyi kubuyela kum lilambâtâ, lingakwenzanga endikutândayo, lingakupûmelelisanga oko ndilitûmela kuko.

12 Kuba niya kupûma ninovuyo, nitûndezwe ninoxolo. Intaba nenduli ziya kugqabuka zimemelele pâmbî kwenu, ibetê imitî yasendle izandla.

13 Esikûndleni somqaqoba kuya kupûma imi-sedare, esikûndleni serawu kuya kunyuka imi-mirtile; oko kube ligama ku-Yehova, nomqondiso ongunapâkade ongayi kunqanyulwa.

56 Utsho u-Yehova ukutî, Gcinani isiko, nenze ubulungisa; kuba lusondele ukuba luze usindiso lwam, nobulungisa bam ukuba butŷileke.

2 Hayi uyolo lomntu okwenzayo oku, nonyana ka-Adam obambelela kuko oku; ogcina i-sabatâ ukuba angayihlambêli; ogcina isandla sakê ukuba singenzi nanye into embî.

3 Makangatsho-ke unyana wolunye uhlanga, lo unamatêle ku-Yehova, ukutî, U-Yehova uya kundahlula kube kanye ebantwini bakê; malingatî itênwa, Yabona, ndingumtî owomileyo.

4 Ngokuba utsho u-Yehova kumatênwa, ukutî, Abazigcinayo i-sabatâ zam, banyule endikutândayo, babambelele emnqopîsweni wam:

5 Ndobanika endlwini yam nasezindongeni zam indawo negama elilungileyo ngapêzu konyana nentombî; ndobanika igama elingunapâkade elingayi kunqunyulwa.

6 Ke onyana bolunye uhlanga, abanamatêle ku-Yehova, ukuze balungiselele kuye, balitânde igama lika-Yehova, ukuba babe ngabakônzi kuye, bonke abayigcinayo i-sabatâ bangayihlambêli, ababambêlela emnqopîsweni wam:

7 Ndobazisa entabeni yam engcwele, ndibavuyise endlwini yam yokutândaza; amadini abo anyukayo nemibingelelo yabo yokôliseka esibingelelweni sam; kuba indlu yam kuya kutîwa yindlu yokutândaza ezizweni zonke.

8 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ekubabutêni abagxotiŵeyo baka-Sirayeli ndisaya kubutâ nabanye ngapâya kwakê, ngapâya kwababutîweyo bakê.

9 Nonke mafamncwa asendle, yizani apâ, yizani kudla, nonke mafamncwa asehlatîni.

10 Ababoniseli bakê zimfama, bonke bepêla abanakwazi, bonke bepêla bazizinja ezizidenge, ezinge nakukônkotâ; zibûda, zilala, zitânda ubutôngo.

11 Ewe, bazizinja ezitânda ukudla, ezingahlutiyo nokuhluta; banjalo-ke abalûsi abakwazi ukuqonda; bonke bepêla babêke kwezabo indlela, elowo kweyakê inzuzo, kowakê ummandla;

12 Utî, Yizani, ndiya kutâbatâ i-wayini, sisele kunene isiselo esinxilisayo; neyangomso imini be njengale, ibe nkulu, incamise kunene.

Digitized by Google

57 Ilungisa liyatshabalala; akukô mntu-ke ukunyamekelayo oko ngentliziyo; amadoda anobubele ayemka, akukô mntu-ke uqondayo, ukuba ilungisa limka pâmbî kokuba kubekô ububi.

2 Lingena eluxolweni, bapûmla ezililini zabo ababehambê ngokutê-gca.

3 Ke nina, sondelani apâ, bonyaña betolakazi, mbêwu yomřexezi nehenyukazi.

4 Nivuyelela banina? nisinekela banina, niñoñoza-nje? Aningabantwana boreqo, imbêwu yobuxoki yinina?

5 Nina bazitshisekisayo emikôbeni, pântsi kwemitî yonke eluhlaza; nina babasikayo abantwana ezihlanjeni pântsi kwemiqôřo yengxondořa.

6 Isahlulo sakô saba sematyeni agudileyo esihlambô; wona aba ngamaqashiso akô; kananjalo wawatûlulela amadini atûlulwayo, wenyusa iminikelo yokudla kuwo. Ndizitûtûzele-na ngezonto?

7 Entabeni epâkamileyo ende wabeka isilili sakô, wenyuka waya kubingelela imibingelelo nalapô.

8 Isikûmbûzo sakô wasibeka emva kocango nomgubasi; ngokuba watî ungekum wazityila, wenyuka, wasenza sabanzi isilili sakô, wanqopîsana nabo, watânda kulala nabo, wandlala ukûko.

9 Wahambêla kukumkani une-oli, wanyîkiza iziqôlo zakô, wazitûma kude izigidimi zakô, wazitôba kwada kwaba kwelabafileyo.

10 Wadinwa ngokubande kwendlela yakô; akwatî, Ndincamile; wawafumana ebuya epîla amandla akô; ngenxa yoko akutânga-fehlefehle.

11 Ubunesitûkutêzi ngabanina, ubusoyika banina, ukuba utêtê amanga, ungandikûmbûli, ungakunyamekeli oko ngentliziyo? Anditê-qutu-na kususela kwapâkade, ungandoyiki-nje?

12 Ndiya kubuxela mna ubulungisa bakô, nezenzo zakô aziyi kukunceda nto.

13 Ekukâleni kwakô mazikuhlangule imfumbâ *zezitîřo* zakô; zonke zipêla zimka nomoya, zitâtyatwa ngumpûnga. Ke yena okôlosa ngam uya kulidla ilifa ilizwe, ayime intaba yam engcwele.

14 Utîle wati, Fumbâni, fumbâni, gecani ndlela; susani isikûbekiso endleleni yabantu bam.

15 Ngokuba utsho Opêzulu, owongamileyo, ohleli ngonapâkade, ogama linguNgcwele, ukutî, Ndihleli pêzulu, engcweleni, *ndihleli* nakotyumkileyo, omoya utôbekileyo, ukuba ndibuye ndipîlise umoya wabatôbekileyo, ndibuye ndipîlise intliziyo yabatyumkileyo.

16 Ngokuba andiyi kubambâna *naye* ngonapâkade, andiyi kuhlala ndinobuřalařume; kuba umoya ubungatŷařayo pâmbi kwam, nemipêfumlo endiyenzileyo mna.

17 Ngenxa yobugwenxa bokubawa kwakê ndaba nobuřalařume, ndambetâ, ndazisitêlisa, ndaba nobuřalařume; wahambâ epâmbâ ngendlela yentliziyo yakê.

18 Indlela zakê ndizibonile, ndiya kumpîlisa, ndimalatise, ndimbuyekezele intutûzelo yena, nabakê-ke abenza isijwili.

19 Umdali weziqâmo zomlomo, u-Yehova utî, Uxolo, uxolo malubekô kwabakude nakwabakufupî, ndibapîlise.

20 Ke bona abangendawo banjengolwandle oluvunjululweyo, ngokuba alunakuzola; amanzi alo avumbûlula udaka nezibi.

21 Alukô uxolo kwabangendawo, utsho u-Tîxo wam.

58 Danduluka upîmisele, ungatîntelekî; pâkamisa izwi lakô njengesigodlo, ubaxelele abantu bam uřeqo lwabo, *uyixelele* indlu ka-Yakobi izono zayo.

2 Ke bayandinxôka imini ngemini, bakunanzile ukuzazi indlela zam. Njengohlanga olwenze ubulungisa, alwalishiya isiko lo-Tîxo walo, bacela kum imigwebo yobulungisa, bakunanzile ukusondela ku-Tîxo.

3 Batî, Yinina ukuba sizile ukudla, ungaboni? siwutôbe umpefumlo wetû, ungazi? Yabonani, ngomhla wokuzila kwenu nifumana enikunanzileyo, nibakândanise abasebenzi benu bonke ababulalekayo.

4 Yabonani, nizilela ukubambâna, nipîkisane, nibetâne ngenqindi lokungendawo; namhla anizileli ukuze nivakalise ilizwi lenu pêzulu.

5 Into enjalo ingaba kukuzila endikunyulileyo-na? ingaba ngumhla wokuba umntu awutôbe umpêfumlo wakê-na? Ukutôkombîsa intloko yakê njengomzi, andlale ezifwexayo notûtû? oko ukubiza ngokutî kukuzila-na, ngumhla okôlekileyo-na ku-Yehova?

6 Asikoku-na ukuzila endikunyulileyo: ukucombûlula iziqamangelo zokungenda-

Digitized by Google

wo, ukukûlula izi-tropu ze-dyokwe, ukundlulula abavikivekileyo bekûlulekile, napûle zonke i-dyokwe?

7 Asikoku-na ukumqêkezela esonkeni sakô olambileyo, ubangenise endlwini abazintsizana abatshutshiswayo? xa utê wabona ohambâ-zé, umambêse, ungazifihli kwinyama yakô?

8 Kuya kwandula ukutî-qip'ukukânya kwakô njengokusa, kuhlume kamsinya ukupôliswa kwakô, buhambê pâmbî kwakô ubulungisa bakô, buqoshelise emva kwakô ubuqaqauli buka-Yehova.

9 Uya kwandula ukubiza, asabele u-Yehova, uzibike atî, Ndikô! Ukuba utê wakususa pâkatî kwakô ukufaka i-dyokwe, nokwalatâ ngomnwe, nokutêtâ ubudenge;

10 Wamvukelisa olambîleyo ngento oyidlayo, wawuhlutisa umpêfumlo wocinezelweyo: kopûmela-ke ukukânya kwakô emnyameni, nesitôkotôko sakô sibe njengemini enkulu;

11 Ahlale ekwalatîsa u-Yehova, awuhlutise umpêfumlo wakô ekubaleleni kwelanga, omeleze amatâmbô akô, ube njengomyezo onyakanyiswa yimvula, nanjengendawo epûma amanzi, emanzi angatshiyo;

12 Bakê amanxuwa ngonapâkade abakowenu, uvuse iziseko zezizukulwana ngezizukulwana, batî ukukubiza ngu-Mvingci-wamatûba, ngu-Mbuyisi-womendo wokuhlala.

13 Ukuba utê walubuyisa unyawo lwakô kwi-sabatâ, ukuba ungenzi okunanzileyo ngomhla wam ongcwele; watî ukuyibiza i-sabatâ isisonwabiso, ingcwele ka-Yehova watî inozuko, wayizukisa-ke ngokungenzi indlela zakô, ngokungafumani okunanzileyo, utêtê intetô ezinge-ni:

14 Uya kwandula ukuziyolisa ngo-Yehova, ndikûkwelise emimangweni yomhlaba, ndikudlise ilifa lika-Yakobi uyihlo; kuba umlomo ka-Yehova utêtile.

59 Yabonani, isandla sika-Yehova asisifutshane, ukuba singasindisi; nendlebe yakê ayinzima, ukuba ingeva;

2 Bubugwenxa benu obunahlukanisileyo no-Tîxo wenu; zizono zenu ezibusitêlisileyo ubuso bakê kuni, ukuba angeva.

3 Kuba izandla zenu zidyobekile ligazi, neminwe yenu bubugwenxa, nomlomo wenu utêtâ ubuxoki, ulwimi lwenu ludumzela ubugqwetâ.

4 Akukô uvakalisa ilizwi elinobulungisa, akukô umangalelana nomnye enyanisile; bakôlose ngocûku, batêtê inkohlakalo; bakâula ububi, bazale ubutshinga.

5 Baqandusela amaqanda ka-nqinishe, baluka izindlu zesigcawu. Lowo udla amaqanda abo uya kufa; elinyatêlweyo liqandulela inyushu.

6 Imisonto yabo ayikuba yingubo, nemisebenzi yabo ayi kubagubungela; izenzo zabo zizenzo zobutshinga; ukusebenza ngogonyamelo kusezandleni zabo.

7 Inyawo zabo zigidimela ebubini, zikâuleze ukuya kupâlaza igazi elimsulwa; ingcinga zabo zingcinga zobutshinga; emendweni wabo kubûqa nokwapûla.

8 Abayazi indlela yoxolo, okusesikweni akukô emikôndweni yabo, bazijikajikile indlela zabo; bonke abanyatêla kuzo abalwazi uxolo.

9 Ngenxa yoko kukude kutî okusesikweni, nobulungisa abufikeleli kutî. Sitêmbê ukukânya, nanku-ke kumnyama; sitêmbê ukuba kube mhlopê, sihamba esitôkotôkweni.

10 Siyapûtâpûtâ njengemfama eludongeni; siyapûtâpûtâ njengabange namehlo; sikûbeka emini enkulu ngatî kungoncwalazi, pâkatî kwabaxâmla ubomi ngatî singabafileyo.

11 Siyavungama njenge-bere sonke sipêla; sidumzela sidumzele njengamahobe; sitêmbâ okusesikweni, kungabikô; sitêmbâ usindiso, lube kude kutî.

12 Kuba zininzi iziřeqo zetû pâmbî kwakô, nezono zetû ziyanqîna ngatî; kuba iziřeqo zetû zinatî, nobugwenxa betû siyabazi;

13 Ukuřeqa ku-Yehova nokumkânyela, nokubuya umva ku-Tîxo wetû, ukutêtâ okucudisayo okutyekisayo, ukukâula nokupîmisela ngentliziyo amazwi obuxoki.

14 Okusesikweni kubuyiswe umva, nobulungisa bumi kude; ngokuba inyaniso ikûbekile endaweni yembûtô, akunakungena okutê-gca.

15 Yesuka yasweleka inyaniso, nocezayo ebubini wazibûnyulisa; wabona-ke u-Yehova, kwakubi emehlweni akê ukuba kungekô okusesikweni.

16 Wabona ukuba akukô mntu, wamangaliswa ukuba kungekô mtândazeli; yaza yamsindisela ingalo yakê, nobulungisa bakê bona bamxâsa.

Digitized by Google

17 Wanxiba ubulungisa ngokwengubo yentsimbi, wanxiba isigcina-ntloko yosindiso entloko, ukwambâtâ wambâtâ ingubo zempindezelo, wazitî-wambû ngekwele, kwanga kungengubo yokwaleka.

18 Ngokwempatô *yabo leyo* uya kubuyekeza ngokoko, ubushushu kubabandezeli bakê, kwa impatô yabo kwabazintshaba zakê, kwiziqiti uya kubuyekeza kwa impatô yazo;

19 Baloyike igama lika-Yehova entshonalanga, baboyike ubuqaqauli bakê empumalanga; kuba uya kuza njengomlambô oxineneyo, ubalekiswa ngumoya ka-Yehova.

20 Eze engumkûluli we-Tsiyon, wababuyayo elureqweni kwa-Yakobi, utsho u-Yehova.

21 Mna-ke nguwo lo umnqopiso wam nabo, utsho u-Yehova; umoya wam opêzu kwakô, nelizwi lam endilibeke emlonyeni wakô aliyi kusuka emlonyeni wakô, nasemlonyeni wembêwu yakô, nasemlonyeni wembêwu yembêwu yakô, utsho u-Yehova, kutâbatêle kwelixesha kude kuse epâkadeni.

60 Suk'ume ukânye, kuba kufikile ukukânya kwakô, nobuqaqauli buka-Yehova butê-câpâ kuwe.

2 Ngokuba uyabona, ubumnyama bugubungele umhlaba, isitôkotôko sigubungele izizwe; ke kuwe u-Yehova utê-câpâ, ubuqaqauli bakê bubonakele pêzu kwakô;

3 Zihambê intlanga zize ekukânyeni kwakô, okumkani beze ebuhlotsheni bokutî-câpâ kwakô.

4 Pâkamisa amehlo ako ngenxa zonke, ubone; bonke bepêla bayahlanganisana baza kuwe; onyana bakô bavela kude, nentombi zakô zibelekwe epângweni;

5 Uya kwandula ukubona, ukâzimle, inkwantye yande intliziyo yakô; ngokuba iya kuguqulelwa kuwe intabalala yolwandle, ubutyebi bentlanga buya kuza kuwe.

6 Inkitâ yen-kamela iya kukugubungela, amagobo akwa-Midiyan nakwa-Efa, bonke bepêla baya kuza bevela kwa-Sheba, bezisa i-golide nentlak'emhlope, beshumayela indaba ezilungileyo zendumiso zika-Yehova.

7 Yonke imihlambi yakwa-Kedare i-butêlana kuwe, inkunzi zegusha zakwa-Nebayoti ziyakulungiselela, zinyuka ngokulikôlo kum esibingelelelweni sam, ndihombise indlu yokuhombâ kwam.

8 Ngobanina abaya beza bebaleka njengelifu, njengamahobe esiza emarobeni awo?

9 Okwenene zitêmbêle kum iziqiti, zinqanawa zase-Tarshishe pâmbili, zizisa onyana bakô bevela kude, bene-silvere yabo ne-golide yabo, kwigama lika-Yehova u-Tixo wakô, k-Oyingcwele ka-Sirayeli, ngokokuba ekuhombisile.

10 Onyana bolunye uhlanga bayakuzakâ indonga zakô, okumkani babo bakulungiselele; kuba ndikubetê ndinobufalafume, kodwa ndaba nemfesane kuwe ndinetafu;

11 Ahlale evuliwe amasango akô imini nobusuku; akayi kuvalwa, ukuze bungeniswe kuwe ubutyebi bentlanga nokumkani bazo beqûtywa.

12 Kuba uhlanga nobukumkani obungayi kukukônza buya kutshabala, ezontlanga zipânze zipânzile.

13 Ubuqaqauli be-Lebanon buya kuza kuwe, um-sipresi nom-plane nom-sherebin ndawo-nye, ukuze ihombê indawo yengcwele yam, ndiyizukise indawo yenyawo zam;

14 Beze kuwe besibekeka onyana babacinezeli bakô, baqubude entendeni zenyawo zakô abakugibayo; ukukubiza batî, Mzi ka-Yehova, Tsiyon y-Oyingcwele ka-Sirayeli.

15 Esikûndleni sokuba ubushiyiwe utîyiwe, akwabikô bani ucanda kuwe: ndiya kukwenza-ke ingamgamsha engunapâkade, imihlali yezizukulwana ngezizukulwana;

16 Wanye amasi entlanga, wanye ibele lokumkani, wazi ukuba mna Yehova ndingumsindisi wakô, umkûluli wakô, im-Balasane ka-Yakobi.

17 Esikûndleni sobêdu ndizisa i-golide, esikûndleni sesinyiti ndizisa i-silvere, esikûndleni semitî ubêdu, esikûndleni samatye isinyiti; isiveleli sakô ndenze uxolo, abapâtî bakô ndibenze ubulungisa.

18 Akuyi kuba savakala lugonyamelo ezweni lakô, imbûqo nolwapûlo emideni yakô; indonga zakô ukuzibiza utî Lusindiso, namasango akô utî Yindumiso.

19 Ilanga aliyi kuba saba sikânyiso kuwe emini, nenyanga ingakukânyiseli, ukuze kube mhlope kuwe; u-Yehova uya

Digitized by Google

kuba sikânyiso esingunapâkade kuwe, u-Tixo wakô abe sihombô sakô.

20 Aliyi kuba satshona ilanga lakô, ingafi inyanga yakô; kuba u-Yehova uya kuba sikânyiso esingunapâkade kuwe, zizaliseke imini zesijwili sakô.

21 Abantu bakô bayakuba ngamalungisa bonke bepêla, balidle ilifa ilizwe ngonapâkade; besisitôle esityelwe ndim, senzo sesandla sam sokuba ndihombê.

22 Omncinanana uya kuba liwaka, noweyeleyo abe luhlanga olunamandla. Mna Yehova ndiya kukukâulezisa oko ngexesha lakô oko.

61 Umoya we-Nkosi, ka-Yehova upêzu kwam; ngenxa yokuba u-Yehova enditâmbisele ukuba ndishumayeze abalulamileyo indaba ezilungileyo, unditume ukubopâ abantliziyo zapûkileyo, ukumemeza inkululeko kwabatinjiweyo, ukuvulwa kwamehlo kwabakônxiweyo,

2 Ukumemeza umnyaka wetâfu lika-Yehova, nomhla wempindezelo ka-Tixo wetû, ukutûtûzela bonke abanesijwili,

3 Ukubamisela abanesijwili base-Tsiyon, ukubanika isihombô sentloko esikûndleni sotûtû, i-oli yemihlali esikûndleni sesijwili, ingubo yenduniso esikûndleni somoya odambayo, ukubizwa kwabo kutiwe yimikôba yobulungisa, isityalo sika-Yehova sokuhombâ.

4 Baya kwakâ amanxuwa angonapakade, bavuse indawo eziciâkeleyo zangapâmbili, bahlaziye imizi engamanxuwa, indawo eziciâkeleyo zezizukulwana ngezizukulwana;

5 Beme abasemzini, balûse imihlambi yenu, onyana bezinye intlanga babe ngabalimi bomhlaba wenu nabezi-diliya zenu.

6 Ke nina ukubizwa kuya kutiwa ningabenzeleleli baka-Yehova; kuya kutiwa kuni, ningabalungiseleli baka-Tixo wetû, niya kudla ubutyebi bentlanga, nindolose ninozuko lwazo.

7 Esikûndleni sokudana kwenu niya kuzuza okupindiweyo; esikûndleni sehlazo baya kumemelela ngesahlulo sabo; ngako oko baya kudla ilifa elipindiweyo ezweni labo, baya kuba novuyo olungunapâkade.

8 Kuba mna Yehova nditânda okusesikweni, ndikutiyile ukupânga ngokugqwetâ, ndibanika umvuzo womsebenzi wabo ngenyaniso, ndenza umnqopiso ongunapâkade nabo.

9 Iyaziwa imbéwu yabo ezintlangeni, baziwe nabapûme ezibilinini zabo pâkati kwezizwe; bonke ababonayo baya kubazi ukuba bayimbéwu ayisikeleleyo u-Yehova.

10 Ndinemihlali ndanemihlali ngo-Yehova, umpêfumlo wam uya kugcoba ngo-Tixo wam; kuba endinxibe ingubo zosindiso, enditê-wambû ngengubo yokwaleka yobulungisa, njengomyeni ononkontsho ngokomenzeleleli, nanjengomtshakazi evetê impahla zakê.

11 Kuba njengoko ilizwe livelisa izilimo zalo, njengoko umyezo untshulisa intlwayelelo yawo, yenje njalo i-Nkosi u-Yehova ukuntshulisa ubulungisa nendumiso pâmbi kwentlanga zonke.

62 Ngenxa ye-Tsiyon andiyi kuti-tu, ngenxa ye-Yerusalem andiyi kuzola, bude bupûme njengokusa ubulungisa bayo, nosindiso lwayo njengesikûni esidangazelayo;

2 Zibubone intlanga ubulungisa bakô, nokumkani bonke babubone ubuqaqauli bakô, ubizwe ngegama elitsha, eliya kuxelwa ngumlomo ka-Yehova;

3 Ube sitsaba sokuhombâ esandleni sika-Yehova, nonkontsho lobukumkani entendeni yesandla so-Tixo wakô.

4 Akuyi kuba satiwa kuwe u-Sishiywa, nelizwe lakô akuyi kuba satiwa kulo, Kusenkangala; ukubizwa kwakô kuya kutiwa ungu-Ndimnanzileyo, nelizwe lakô kutiwe ngu-Nokwenda; ngokuba u-Yehova ekunanzile, nelizwe lakô lendile.

5 Njengokuba indodana izeka intombi, onyana bakô baya kuzeka wena; njengomyeni unemihlali ngomtshakazi, u-Tixo wakô-ke uya kuba nemihlali ngawe.

6 Pêzu kwendonga zakô, Yerusalem, ndimise abagcini; imini yonke nobusuku bonke abayi kuze batî-qutu; nina bakûmbûzi baka-Yehova, musan' ukuti-cwaka.

7 Musan' ukuvuma ukuba ati-cwaka, ade ayizinzise, ade ayenze i-Yerusalem ibe yindumiso emhlabeni.

8 U-Yehova ufunge isandla sakê sokunene, nengalo yakê eqinileyo, wati, Inyaniso, inqôlowa yakô andiyi kuba sayinika intshaba zakô ziyidle, nonyana bolunye

Digitized by Google

uhlanga bangaseli i-wayini yakô entsha owazixâmla ngayo.

9 Kuba ngabayihlanganisileyo abaya kuyidla, badumise u-Yehova; ngabayibutâyo abaya kuyisela ezintendelezweni zengcwele yam.

10 Pûmani, pûmani ngamasango; gecani indlela yabantu; fumbâni, fumbâni umendo, ncotulani amatye kuwo; nyusani i-banile pêzu kwezizwe.

11 Yabona, u-Yehova uvakalisile wesa ezipêlweni zomhlaba, watî, Yitîni kwintombî u-Tsiyon, Yabona, usindiso lwakô luyeza; yabona, umvuzo wakê unawo, nento ayisebenzileyo ipâmbî kwakê.

12 Ukubizwa kwabo kutîwe ngabantu abangcwele, ngabakûlulwa baka-Yehova ngokumiselwa; ukubizwa kwakô kutîwe ngofuniweyo, ungumzi ongashiyiweyo.

63 Ngubanina lo uza evela kwa-Edom, evela e-Botsera, zibomvu ingubo zakê? lo uhombîleyo ngesambâtô sakê, enyalasa ebuninzini bamandla akê? Ndim, mna utêtâ ngokobulungisa, mna umkûlu ukusindisa.

2 Yinina ukuba sibe yingqombêla isambâtô sakô, nengubo zakô zibe njengezoxovula esixovulelweni se-wayini?

3 Isifaxangelo ndisixovule ndedwa; ezizweni akubangakô bani unam; ndazixovula ndinomsindo, ndazinyasha ndishushu; incindi yazo yacâpâzela ingubo zam, ndasidyoba sonke isambâtô sam.

4 Kuba umhla wempîndezelo ubusentliziyweni yam, nomnyaka wokukûlula kwam ngokuhlaulela ufikile.

5 Ndabêka, akwabikô mncedi; ndamangaliswa ukuba kungabikô mxâsi; yandisindisela-ke ingalo yam, nobushushu bam baba ngumxâsi wam.

6 Ndazigqusha izizwe ndinomsindo, ndazinxilisa ndinobushushu, ndayihlisela emhlabeni incindi yazo.

7 Ndiya kukânkanya inceba zika-Yehova, indumiso zika-Yehova ngokokufanele konke ukusipâtâ kuka-Yehova; nokulunga kwakê okukûlu kwindlu ka-Sirayeli, awayipâtâ ngako ngokwemfesane yakê, nangokobuninzi benceba zakê.

8 Watî okwenene, Bangabantu bam-ke, onyana abangayi kuxoka; waba ngumsindisi kubo-ke.

9 Ekubandezelekeni kwabo konke wabandezeleka, nesîtûnywa sobuso bakê sabasindisa; ekubatândeni kwakê nasekubacongeni kwake wayebakûlula ngokumisela yena, wabafunqula; wabatwala yonke imihla yasepâkadeni.

10 Ke bona bampîkisa, bamenza buhlungu umoya wakê oyingcwele; waguqukake, waba lutshaba kubo, walwa nabo.

11 Baza abantu bakê bakûmbûla imihla yasepâkadeni ka-Moses, batî, Upîna lo wabanyusa elwandle, ndawo-nye nomalûsi womhlambî wake? Upîna lowo wawubeka pâkatî kwabo umoya wobungcwele bakê?

12 Wayihambîsa ngasekunene kuka-Moses ingalo yokuhombâ kwakê? wawacanda amanzi pâmbî kwabo, ukuze azenzele igama elingunapâkade?

13 Wabahambîsa emanzini anzongonzongo njengehashe entlango, abakûbeka?

14 Njengenkomo ezihla ziye entilini, umoya ka-Yehova wabapûmza: wenje njalo ukubaqûba abantu bakô, ukuze uzenzele igama elizukileyo.

15 Bêka usezulwini, ubone usengontsini yobungcwele bakô neyesihombô sakô. Bupîna ubukwele bakô nobugofa bakô? ukusika kwezibilini zakô nemfesane zakô zibambêkile kum.

16 Kuba ungubawo wena, ngokuba u-Abraham engasazi, u-Sirayeli engasinakani; wena Yehova ungubawo, umkûluli wetû ligama lakô kwasepâkadeni.

17 Yinina ukuba usiyeke sidungudele, Yehova, simke ezindleleni zakô, uyiqaqadekise intliziyo yetû, singakoyiki wena. Buya ngenxa yabakônzi bakô, izizwe zelifa lakô.

18 Abantu bakô abangcwele badla ilifa umzuzwana; ababandezeli betû bayigqusha ingcwele yakô;

19 Sisuke saba njengabo ungabalaulanga kwasepâkadeni, abangabizwanga ngegama lakô.

64 Yo! wanga ungawafazula amazulu, uhle, zizamazame intaba ebusweni bakô,

2 Njengomlilo uvutîsa intsasa, njengomlilo uxâpazelisa amanzi, ukuze ulazise igama lakô kubabandezeli bakô, zigungqintlanga ebusweni bakô.

3 Ekwenzeni kwakô imisebenzi eyoyi-

Digitized by Google

kekayo ebesingayilindele, wanga ungehla, zizamazame intaba ebusweni bakô!

4 Kususela kwasepâkadeni abantu abevanga, abamamelanga, neliso alibonanga tîxo inge nguwe, omenzelayo lowo ulindele kuye.

5 Umkâulele onemihlali enze ubulungisa, ekukukûmbûleni kwabo ezindleleni zakô. Yabona, wena ubunobufalafume, masibe-ke singaboni; kudala sikwezonto, sosindiswa-na-ke?

6 Ke sisuka saba njengoyinqambî sonke sipêla, yanjengengubo enomzî yonke imisebenzi yetû yobulungisa; sabuna njengamagqabi sonke sipêla, ubugwenxa betû basitâbatâ njengomoya.

7 Akwabikô ulinqulayo igama lakô, uzixôxâyo ukuba abambêlele kuwe; ngokuba ubusitêlisile ubuso bakô kutî, wasinyibilikisa ngobugwenxa betû.

8 Kaloku-ke, Yehova, ungubawo, siludongwe; ungumbumbî wetû, sisenzo sesandla sakô sonke sipêla.

9 Mus'ukuba nobufalafume, Yehova, kupêle; ungabukûmbûli ubugwenxa ngonapâkade. Yabona, kâusibêke, singabantu bakô sonke sipêla.

10 Imizi yobungcwele bakô iyintlango, i-Tsiyon iyintlango, i-Yerusalem ilinxuwa.

11 Indlu yobungcwele betû nokuhombâ kwetû, ababekudumisela kuyo obawo, itshile ngumlilo, nento zonke ebezinqweneleka kutî zicitâkele.

12 Uya kuzibambâ-na ngokwakô, zinjalo-nje ezonto, Yehova, utî-cwaka-na, usicinezele-na kupêle?

65 Ndanxôkeka kwababengandibuzi; ndafumaneka kwababengandifuni. Ndatî, Ndikô, ndikô, kuhlanga obelungabizwe ngegama lam.

2 Ndolula izandla zam imini yonke kubantu abazinjubaqa, abahambâ ngendlela engalungileyo, emva kwengcinga ezizezabo.

3 Abantu aba bandiqumbîsayo ngamaxesha onke besebusweni bam, bebingelela emiyezweni, beqûmisela ezi-teneni,

4 Behleli emancwâbeni, belalisa ezindaweni ezinqabileyo, besidla inyama yehangu, ezityeni zabo iziziqa eziyimbôzisa;

5 Besitî, Yima, ungasondeli kum; ngokuba ndingcwele kunawe; abo bangumsi ezimpumlweni zam, umlilo otsha imini zonke.

6 Yabona, kubâliwe pâmbî kwam, kwatîwa, Andiyi kutî-tu, ndingapîndezelanga; ndiya kupîndezelela esondweni lengubo yabo,

7 Izenzo zenu ezigwenxa nezenzo ezigwenxa zoyihlo kunye, utsho u-Yehova, abaqûmiselayo ezintabeni bandingcikiva ezindulini; ngako oko ndiya kuwulinganisela umvuzo womsebenzi wabo kuqala esondweni labo.

8 Utsho u-Yehova ukutî, Njengokuba incindi ifunyanwa esihlokweni, atî umntu, Mus'ukusonakalisa, ngokuba kukô intsikelelo kuso: ndiya kwenje njalo ngenxa yezicaka zam, ukuze ndingonakalisi into yonke;

9 Ndivelise imbêwu ka-Yakobi, indlalifa yentaba yam kwa-Yuda, balidle ilifa abanyulwa bam, zihlale kona izicaka zam;

10 I-Sharon ibe lifiwa lempahla emfutshane, nentili ye-Akore ibe yindawo yokubutâ inkomo ebantwini bam abandifunileyo.

11 Ke nina nimshiyileyo u-Yehova, niyilibelcyo intaba yam engcwele, nimlungiselayo u-Tâmsanqa isitêbe, nimzaliselayo u-Sihlo i-wayini epîtîkeziweyo,

12 Ndinimisele îrele, niguqele ukusikwa nonke nipêla, ngenx' enokuba ndanibizayo, anasabela; ndatêtâ, aneva; nesuka nenza okubi emehlweni am; nanyula endingakunanzileyo.

13 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, izicaka zam ziya kudla, ke nina niya kulambâ; yabonani, izicaka zam ziya kusela, ke nina niya kunxanwa; yabonani, izicaka zam ziya kuvuya, ke nina niya kudana;

14 Yabonani, izicaka zam ziya kumemelela ngokucwayita kwentliziyo, ke nina niya kukâla ngumvandedwa wentliziyo, nibômbôloze kukwapûka komoya;

15 Nilishiye igama lenu libe sisishwabulo kubanyulwa bam, ikubulale i-Nkosi u-Yehova, ke izibize ngalimbî igama izicaka zayo;

16 Ngokokude atî ozisikeleleyo elizweni, azisikelele ngo-Tîxo wenyaniso; atî ofungayo elizweni, afunge u-Tîxo wenyaniso; ngokuba zilityelwe imbândezelo za-

Digitized by Google

ngapâmbîli, nangokuba zisitêle emehlweni am.

17 Ngokuba niyabona, ndidala amazulu amatsha nomhlaba omtsha; angakûnjulwa awokuqala, angenyuki atî-qatâ entliziyweni.

18 Hayi, yibani nemihlali, nigcobe nanini yilonto ndiyidalayo; ngokuba yabonani, ndiyayidala i-Yerusalem ukuba igcobe, nabantu bayo ukuba babe nemihlali;

19 Ndigcobe nge-Yerusalem, ndibe nemihlali ngabantu bam, lingabi savakala kôna ilizwi lokulila nelizwi lokukâla.

20 Akuyi kuba savela kôna usana olunentsuku, nexêgo elingayizalisanga imihla yalo; kuba umfana uya kufa engominyaka ilikûlu ezelwe, atshabiswe umoni engominyaka ilikûlu ezelwe;

21 Bakê izindlu, bazihlale; batyale izidiliya, badle iziqâmo zazo.

22 Abayi kwakâ, kuhlale bambî; abayi kutyala, kudle bambî; kuba iya kuba njengemihla yomtî imihla yabantu bam, badle into esetyenzwe zizandla zabo abanyulwa bam.

23 Abayi kuzixâmla ngokulambâtâyo, bazalele ukwanqiso; ngokuba bayimbêwu ayisikeleleyo u-Yehova, nabapûme ezibilinini zabo banabo;

24 Kutî bengekabizi, ndisabele; besatêtâ, ndibe sendivile.

25 Incûka nemvana kuya kudla ndawonye, ingonyama idle umququ njengenkomo; inyoka, sibe lutûli isonka sayo; aziyi kwenza bubi, zonakalise kuyo yonke intaba yam engcwele, utsho u-Yehova.

66 Utsho u-Yehova ukutî, Izulu yitrone yam, umhlaba sisi-tulo senyawo zam. Iyinina lendlu, niya kundakêla? iyinina lendawo yokupûmla kwam?

2 Zonke ezonto sazenza isandla sam, zabakô-ke zonke ezonto, utsho u-Yehova; ndibêka kulô, kolusizana, komoya wapûkileyo, kogubâyo ngelizwi lam.

3 Oxêla inkomo unjengesixabela-mntu; obingelela igusha ngumsiki wenja; onyusa umnikelo wokudla *ngumnyusi* wegazi lehangu; okûmbûza ngoqûmiselo lwentlak' emhlope ngosikelela into ebutshinga. Bezinyulele-njo indlela zabo, umpêfumlo wabo wawananza amazotê abo:

4 Nam-ke ndiya kunyula imfeketô zokufeketâ ngabo, ndibazisele izinto ezibanxungupâlisayo; ngenx' enokuba ndabizayo, akwabikô usabelayo; ndatêtâ, abeva; besuka benza ububi emehlweni am, banyula nento endingayinanzileyo.

5 Yivani ilizwi lika-Yehova, nina nigubâyo ngelizwi lakê, utî, Abazalwana benu abanitîyayo, abanigxotâyo kubo ngenxa yegama lam, batî, Makazizukise u-Yehova, sibone imivuyo yenu; baya kudana-ke bona.

6 Pûlapûlani isandi esipûma kuwo umzi; izwi elipûma e-tempileni; izwi lika-Yehova epîndezela impatô yentshaba zakê.

7 Ingekazibijabiji, yazala; zingekezi inimbâ kuyo, yatî-tyibilili umntwana oyinkwenkwe.

8 Ngubanina okê weva kunjalo? ngubanina okê wabona into ezinjalo? Kuya kuzalwa ilizwe ngamini nye-na? Kuzalwa uhlanga ngasihlandlo sinye-na? ngokuba isat'ukut' ukuzibîjabîja, yabazala onyana bayo i-Tsiyon.

9 Mna ndingavelisisa-na, ndingazalisi? utsho u-Yehova; ndingatî mna ndizalisayo ndivingce-na? utsho u-Tîxo wakô.

10 Vuyisanani ne-Yerusalem, nigcobe ngayo, nonke bayitândayo; yenzani imihlali nibe nemihlali, nonke bayenzelayo isijwili;

11 Ukuze nanye nihlute libele lentutûzelo zayo, ukuze nishube, nixâmle ukwehlisa kozuko lwayo.

12 Ngokuba u-Yehova utsho ukutî, Yabonani, ndisingisa uxolo kuyo njengomlambô, nozuko lwentlanga njengesihlambô esikûkulayo, ukuze nanye; niya kubelekwa epângweni, niteketiswe ematângeni.

13 Njengomntu otûtûzelwe ngunina ndiya kwenje njalo mna ukunitûtûzela, nitûtûzelwe e-Yerusalem,

14 Nibone, ibe nemihlali intliziyo yenu, ahlume amatâmbô enu njengohlaza, sazeke isandla sika-Yehova ezicakeni zakê, azibâvumele intshaba zakê.

15 Kuba, yabonani, u-Yehova uya kuza ngomlilo, zinjengesaqwitî inqwelo zakê zokulwa, ukuze abuyekeze umsindo wakê ngobushushu, nokukâlima kwakê ngamalangatye omlilo.

16 Kuba u-Yehova uya kuyigweba ngomlilo nangebele lakê inyama yonke, babe baninzi ababuleweyo ngu-Yehova.

17 Aba bazingcwalisayo, bazihlambûlu-

Digitized by Google

lela imiyezo, bexelisa omnye ongapâkatî, badla inyama yehangu, nento enezotê, nenqalu; baya kupêla kunye, utsho u-Yehova.

18 Mna-ke, ndiyazazi izenzo zabo nengcinga zabo; kobakô *ixesha* lokuba zihlanganisane zonke intlanga nelwimi, zize zibubone ubuqaqauli bam;

19 Ndimise umqondiso pâkatî kwazo, nditûme abasindileyo kuzo, baye ezintlangeni ezingo-Tarshishe, no-Puli no-Ludi, abatyedi besapêta, ezingo-Tubali no-Yavan, eziqitini ezikude ezingazivanga indaba zam, ezingabubonanga ubuqaqauli bam, babuxele ubuqaqauli bam ezintlangeni;

20 Babazise bonke abazalwana benu, bevela nabo ezintlangeni zonke, bengumnikelo ku-Yehova, bekwele emahasheni, nasezinqweleni, nasematâleni, nakondlebende, nakwin-kamelakazi, benyuke entabeni yam engcwele e-Yerusalem, utsho u-Yehova, kwa njengokuba onyana baka-Sirayeli bewuzisa umnikelo wokudla ngesitya esihlambûlukileyo endlwini ka-Yehova.

21 Nditâbatê nakuzo ezo zibe ngabenzeleleli naba-Levi, utsho u-Yehova.

22 Kuba njengoko amazulu amatsha nomhlaba omtsha endiza kuwenza, amiyo pâmbî kwam, utsho u-Yehova, iya kwenje njalo ukuma imbewu yenu negama lenu;

23 Kutî, kupîkelane nokutwasa kwenyanga zonke, kupîkelane ne-sabatâ zonke ukuza kwenyama yonke, ukuba iqubude pâmbî kwam, utsho u-Yehova;

24 Bapûme babone izidûmbû zamadoda arêqileyo kum; kuba impetû zabo aziyi kufa, nomlilo wabo ungacimi, babe linyumnyezi kuluntu lonke.

INCWADI KA-YEREMIYA UM-PROFETI.

ISIQENDU I.

AMAZWI ka-Yeremiya unyana ka-Hilekiya, wakubenzeleleli base-Anatoti ezweni lakwa-Benyamin:

2 Ekwafika kuye ilizwi lika-Yehova ngemihla ka-Yosiya unyana ka-Amon, ukumkani wakwa-Yuda, ngomnyaka weshumi elinesitâtû wobukumkani bakê;

3 Nangemihla ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, kwada kwasekupêleni komnyaka weshumi elinamnye ka-Tsedekiya unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, kwada kwasekufuduswemi kwe-Yerusalem ngenyanga yesihlanu.

4 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

5 Ndingekakubumbî esizalweni bendikwazi, ungekapûmi embilinini ndakungcwalisa, ndakumisa wangum-profeti wentlanga.

6 Ndatî mna, Kwowu, Nkosi Yehova, yabona, andikwazi ukutêtâ, ngokuba ndingumntwana.

7 Watî u-Yehova kum, Mus'ukutî, ndingumntwana; ke uya kuya kubo bonke endikutûma kubo; konke endikuwisela umtêtô, uz'ukutêtê.

8 Uz'ungaboyiki; ngokuba ndinawe ukuba ndikuhlangule, utsho u-Yehova.

9 Wasolula u-Yehova isandla sakê, wacûkumisa umlomo wam; watî-ke u-Yehova kum, yabona, ndibeke amazwi am emlonyeni wakô.

10 Kângela, ndikwenza namhla umveleli wentlanga nezikumkani, ukuba unyotûle, udilize, utshabalalise, ungungxule, ukuba wakê utyale.

11 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum lisitî, Yinto-nina le uyibonayo, Yeremiya? Ndatî, Ndibone intonga yomtî wom-amangile.

12 Watî u-Yehova kum, Ubone walungisa; ngokuba ndiya kulipâpela ilizwi lam ukuba ndilenze.

13 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum ngokwesibini, lisitî, Yinto-nina le uyibonayo? Ndati, Ndibone imbiza ebaselweyo, ubuso bayo bubêke neno, ise-Ntla.

Digitized by Google

14 Watí-ke u-Yehova kum, E-Ntla kuya kupûma ububi, bube pézu kwabemi bonke belizwe.

15 Ngokuba yabona, ndiya kubiza yonke imizalwane yezikumkani zase-Ntla, utsho u-Yehova; ziya kuza-ke, zimise iseso i-trone yazo ekungeneni kwamasango e-Yerusalem, nasezindongeni zayo zonke ngenxa zonke, nasemizini yonke yakwa-Yuda.

16 Ndiya kutêta elokubagweba kwam ngenxa yobubi babo bonke, kuba bendishiyile, baqûmisela tíxweni bambí, baqubuda emisebenzini yezandla zabo.

17 Ke wena, bînqa amanqe akô, usuk'ume, utêtê kubo konke endikuwisela umtêtô ngako. Mus'ukuqípuk' umbilini ngabo, hleze ndikuqípul' umbilini ngabo.

18 Uyabona-ke, mna ndikwenza namhla umzi onqatyisiweyo, intsika yesinyiti, udonga lobêdu kulo lonke ilizwe, kokumkani bakwa-Yuda, nakubatétêli balo, kubenzeleleli balo, nakubantu belizwe,

19 Balwe nawe; bangabi nakukweyisa; ngokuba ndinawe ukuba ndikuhlangule, utsho u-Yehova.

2 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova kum, lisití,

2 Yiya, ushumayele ezindlebeni ze-Yerusalem, utí, Utsho u-Yehova ukutí, Ndikukûmbûlele inceba yobutsha bakô, utândo lobutshakazi bakô, ukundilandela kwakô entlango, ezweni elingahlwayelwayo.

3 Ube ngcwele u-Sirayeli ku-Yehova, intlahlela yakê yongeniselo, bonke abamdlayo bazeka ityala; bafikelwa bububi utsho u-Yehova.

4 Liveni ilizwi lika-Yehova, ndlu ka-Yakobi, nonke mizalwane yendlu ka-Sirayeli.

5 Utsho u-Yehova ukutí, Bafumana bubi bunina kum oyihlo, lento bakwelela kude kum, balandela izinto ezingento baba yinto engeyonto?

6 Abatsho ukutí, Upína u-Yehova owasinyusayo, *wasikúpâ* ezweni lase-Yiputa, owasihambísa entlango, ezweni eliyinqantosi, lezihogo, ezweni elingumqwebedu neletúnzi lokufa, ezweni elingacandi mntu, elingahlali mntu?

7 Ndaningenisa ezweni elimasimi acûmayo, ukuba nidle iziqâmo zalo nento ezilungileyo zalo; ukanti nakungena nalenza inqambí ilizwe lam, ilifa lam nalenza langamasikizi.

8 Abenzeleleli abatshongo ukutí, Upína u-Yehova? abapâtí bomyalelo abandazanga, nabalûsi bareqa kum, naba-profeti baprofeta ngo-Bahali, balandela abanganceda nto.

9 Ngako oko ndisaya kubambâna nani, utsho u-Yehova, ndibambâne nonyana bonyana benu.

10 Kuba welani, niye eziqitini zama-Kiti,[1] nibone; nitûme nakwa-Kedare, nigqale kunene, nikângele ukuba zikê zakôna izinto ezinjalo;

11 Ukuba uhlanga lwakâ lwananisa-na ngotíxo *balo*, bengetíxo-ke bona? ke bona abantu bam banane ngozuko lwabo into engancediyo.

12 Mangaliswani, mazulu yilento, nibe namanwele, niqotôle kunene, utsho u-Yehova.

13 Ngokuba benze ububi obubini abantu bam; bandishiyile mna tênde lamanzi apílileyo, bazimbêle amaqula, amaqula aqêkekileyo, angagcini manzi.

14 U-Sirayeli ulikôboka-na? Ulelizalelwe ekâya-na? Kungatûba-nina, ukuba abe yinto epângiweyo?

15 Zimbafulele ingonyama ezintsha, zalikûpâ izwi lazo, zalenza lisenkangala ilizwe lakê, imizi yakê yafakwa isikúni, ayabi nabemi.

16 Kananjalo onyana base-Nofu ne-Tapanesi badlela elukakayini lwakô.

17 Oko asikukwenza kwakô-na ngokushiya kwakô u-Yehova u-Tíxo wakô, ngexesha abekuhambísa ngendlela?

18 Okanye yinto-nina enawe nendlela yase-Yiputa, ukuba usele amanzi om-Nayile? Yinto-nina enawe nendlela yakwa-Asuri, ukuba usele amanzi om-Lambó lowo?

19 Buya kukutêtísa ububi bakô, nokupâmbâ kwakô kuya kukohlwaya; yazi-ke ubone, ukuba kubi kuřaŕa ukumshiya u-Yehova u-Tíxo wakô, nokutí ungankwantyi pâmbí kwam, itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi.

20 Ngokuba kususela kwakude uyapúle i-dyokwe yakô, waziqaûla izi-tropu zakô; watí, Andikukônza; kuba ezindulini zonke ezinde napântsi kwemití yonke eluhlaza wazolula ngokwehenyukazi.

21 Mna-ke ndakutyala wangum-diliya

[1] i-Kipro kwi-Test. entsha.

Digitized by Google

wohlobo, wonke upêla wayimbêwu yenyaniso; utê-nina-ke ukujika ube nganasebe agcakacileyo om-diliya ongenguwo kum?
22 Ungafanelana uzisikihla nge-soda, watâbatâ i-sepa eninzi: ubugwenxa bakô buhleli budyobekile pâmbî kwam, itsho i-Nkosi u-Yehova.
23 Ungatî-nina ukuti, Andizenzanga inqambî, andibalandelanga o-Bahali? Yibone indlela yakô emfuleni lowo, ukwazi okwenzileyo, wena mazi yen-kamela enamendu, etshobela ngapâ nangapâ;
24 Mazi ye-esile lasendle, eqêle intlango, etî ngokunqwena kwayo isezele umoya; ukunxâmela kwayo inkunzi ngubanina ongakubuyisayo? bonke abayifunayo abazidinisi; boyifumana ngenyanga yayo.
25 Lutîntele unyawo lwakô lungabi-zé, nomqala wakô unganxanwa; utî-ke wena, Kuncamekile, hayi, kuba ndibatândile abasemzini, ndiya kubalandela-ke.
26 Njengokudana kwesela lakufunyanwa, kunjalo ukudana kwendlu ka-Sirayeli; bona ngokwabo, nokumkani babo, nabatêtêli babo, nabenzeleleli babo, nabaprofeti babo;
27 Besiti emtîni, Ungubawo; nasetyeni, Undizele; ngokuba bandinikela ikôsi, abandinikela buso; ngexesha-ke lobubi babo baya kutî, Suk'ume usisindise.
28 Bapîna kaloku otîxo bakô ozenzeleyo? mabasuke beme, ukuba boba nokukusindisa-na ngexesha lobubi bakô; kuba babe ngangenani lemizi yakô otîxo bako, Yuda.

29 Yinina ukuba nibambâne nam? Nonke nipêla nirêqile kum, utsho u-Yehova.
30 Ndifumane ndababetâ onyana benu; intetîso abayamkelanga; irele lenu lidle aba-profeti benu njengengonyama edlavulayo.
31 Sizukulwanandini, likângeleni ilizwi lika-Yehova. Bendiyintlango-na ku-Sirayeli? bendililizwe lesitôkotôko-na? Kungatûba-nina ukuba batî abantu bam, Siyapâpâtêka, asizi kuwe?
32 Iyazilibala-na intombî izivatô zayo, umtshakazi *uyazilibala-na* inqwemesha zakê? ke bona abantu bam bandilibele imihla enge nakubalwa.
33 Uya kwazi ukuyilungisa indlela yakô ngokufuna utândo! ngako oko indlela zakô uziqêlisa izinto ezimbî.
34 Kwa nasemasondweni akô kufumaneka igazi lemipêfumlo yamahlwempu amsulwa; akuwafumananga egqoboza zindlu; bekungenxa yoku konke.
35 Ukanti utî-ke, Ndimsulwa, ewe umsindo wakê ubuyile kum. Yabona, ndiya kumangalelana nawe ngenxa yokuba usitî, Andonanga.
36 Yinina ukuba ugidime kangaka ukuyijika indlela yakô? Uya kudana ngenxa ye-Yiputa, njengokuba udanile ngenxa ka-Asuri.
37 Nakuyo leyo uya kupûma, izandla zakô zisentloko; ngokuba u-Yehova uya kubacekisa okôlose ngabo, ungabi nampumelelo ngabo.

3 Utî, Ukuba itê indoda yamgxotâ umkayo, wemka kuyo, waba ngowandoda yimbî, inokumbuyela-na? Alingebi lihlanjelwe-na elozwe? Wena-ke uhenyuzile nezitândane ezininzi; unokubuyela-na-ke kum, utsho u-Yehova?
2 Pôsa amehlo akô eluqayini ubone; kupîna apô ungalalwanga kôna? Wabahlalela ngasezindleleni njengom-Arabi entlango, walihlambêla ilizwe ngokuhenyuza kwakô nangezinto zakô ezimbî.
3 Yatîntelwa-ke imikûmezelo, ayeza nemvula evutîsayo; usuke wanebunzi lehenyukazi, akwavuma ukuba nentloni.
4 Akuyi kutî-na ngoku undibize Bawo, ulikôlwane lobutsha bam.
5 Uya kuba nenqala ngonapâkade-na, ahlale ewugcinile-na umsindo? Yabona, utêtâ njalo-nje, wenza ububi, ubufezile.

6 Watî u-Yehova kum ngemihla yokumkani u-Yosiya, Ukubonile-na elikwenzileyo ipâmbâkazi u-Sirayeli? Belihambâ pêzu kwentaba zonke ezinde napântsi kwemitî yonke eluhlaza, lahenyuza kôna.
7 Ndatî, emveni kokuba likwenzile oko konke, Liya kubuyela kum; lisuke alabuya; lakubona oko ingininginikazi, udade wabo u-Yuda.
8 Ndabona, ukuba noko ipâmbâkazi u-Sirayeli lirexezileyo, ndaligxotâ, ndalinika incwadi yokwahlukana nalo: lisuke ingininginikazi u-Yuda, udade walo, aloyika lisuke-ke laya kuhenyuza nalo.
9 Kwatî, ngenxa yesandi sokuhenyuza kwakê, lahlanjelwa ilizwe, warexeza namatye nemitî.
10 Nakuko konke oko alabuyela kum

Digitized by Google

ingininginikazi, udade walo u-Yuda, ngentliziyo yonke, kwaba ngokuxoka, utsho u-Yehova.

11 Watî u-Yehova kum, Ipâmbâkazi u-Sirayeli lizigwebele ngokwalo, ngapêzu kwengininginikazi u-Yuda.

12 Yiya umemeze lamazwi e-Ntla, utî, Buya, pâmbâkazi Sirayeli, utsho u-Yehova; andiyi kubusanganisa ubuso bam kuni; ngokuba ndinenceba, utsho u-Yehova; andiyi kuba nanqala ngonapâkade.

13 Buvume kodwa ubugwenxa bakô; ngokuba uŕeqile ku-Yehova u-Tîxo wakô, wazipângalalisa indlela zako kwabasemzini ngapântsi kwayo yonke imitî eluhlaza, ke ilizwi lam analipûlapûla, utsho u-Yehova.

14 Buyani, bonyana abangamapâmbâ, utsho u-Yehova; ngokuba ndinizekile mna, ndiya kunitâbatâ abe mnye emzini, babe babini kwimizalwane, ndinizise e-Tsiyon;

15 Ndininike abalûsi abangantliziyo yam, banalûse ngokwazi nangengqiqo.

16 Kutî, xa nitê nanda naqâma ezweni ngalomihla, utsho u-Yehova, bangabi satî, Umkômbê womnqopîso ka-Yehova; ungatî-qatâ entliziyweni, ungakûnjulwa ngabo, ungafuneki, ungabuye wenziwe.

17 Ngeloxesha i-Yerusalem kuya kutîwa yi-trone ka-Yehova, zixôntelane kôna zonke intlanga ngenxa yegama lika-Yehova elise-Yerusalem; zingabi salandela ubunqôla bentliziyo yazo embî.

18 Ngalomihla iya kuhambâ indlu yakwa-Yuda kunye nendlu yakwa-Sirayeli, bavele kunye ezweni lase-Ntla, beze ezweni endabanikayo oyise lalilifa.

19 Ndatî mna, Azi ndingatî-nina ukukumisa pakatî konyana, ndikunike ilizwe elinqwenelekayo, ilifa eliligugu lawo amagugu entlanga! Ndati, Niya kundibiza ngokûtî, Bawo, ningabuyi ekundilandeleni.

20 Inyaniso, njengoko umfazi atshinizayo kuwabo, nitshinizile ngokunjalo kum, nina ndlu ka-Sirayeli, utsho u-Yehova.

21 Livakele izwi eluqayini, isililo sokutafuzisa sonyana baka-Sirayeli; ngokuba bebezigwenxile indlela zabo, bamlibala u-Yehova u-Tîxo wabo.

22 Buyani, bonyana abangamapâmbâ, ndokupîlisa ukupâmbâ kwenu. Uyabona, siza kuwe; ngokuba wena Yehova ungu-Tîxo wetû.

23 Inyaniso, yaba buxoki ingxokozelo yasezindulini, yasezintabeni; inyaniso, luku-Yehova u-Tîxo wetû usindiso luka-Sirayeli.

24 Udano luyidlile indyebo yobawo kwasebuncinananeni betû; impahla yabo emfutshane nenkomo zabo, onyana babo nentombî zabo.

25 Masilale ekudaneni kwetû, lisigubungele ihlazo letû; ngokuba ku-Yehova u-Tîxo wetû sonile, tîna nobawo, kwasebuncinananeni betû, unanamhla; asalipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wetû.

4 Ukuba utê wabuya, Sirayeli, utsho u-Yehova, wabuyela kum; wawasusa amazotê akô pâmbî kwam, akwapâlapâla,

2 Wafunga watî, Ehleli-nje u-Yehova, ngokwenyaniso, ngokusesikweni nangobulungisa: zozisikelela ngaye intlanga, ziqâyise ngaye.

3 Ngokuba uti u-Yehova kumadoda akwa-Yuda nakwi-Yerusalem, Zikûbeleleni intsinde, ningahlwayeli emitâneni enameva.

4 Zalûseleni ku-Yehova, nisuse ukungaluki kwentliziyo yenu, madoda akwa-Yuda, bemi base-Yerusalem, hleze bupûme ubushushu bam njengomlilo, buvutê kungabikô ucimayo, ngenxa yobubi bentlondi zenu.

5 Xelani kwa-Yuda, nivakalise e-Yerusalem, niti, Vutêlani isigodlo elizweni; dandulukani, nitî, Hlanganisanani, singene emizini enqatyisiweyo.

6 Pâkamisani i-banile ngase-Tsiyon, sabisani, ningemi; kuba e-Ntla ndizisa ububi, nembûbîso enkulu.

7 Kunyuka ingonyama ipuma entshinyeleni yayo yehlatî, kunduluka umonakalisi wentlanga; upûma endaweni yakê, ukuze alipânzise ilizwe lakô, imizi yakô yenziwe imiwewe, ingabi nabemi.

8 Ngenxa yoko bînqani eziŕwexayo, nimbâmbâzele, nibômbôloze; ngokuba ukuvutâ komsindo ka-Yehova akubuyanga kutî.

9 Kotî-ke ngalomini, utsho u-Yehova, ipêle intliziyo yokumkani nentliziyo yabatêtêli; bamangaliswe abenzeleleli, bangakûlumi aba-profeti.

10 Ndatî-ke, Kwowu, Nkosi Yehova, inyaniso ubalukuhlile kakûlu ababantu nase-Yerusalem, usitî, Niya kuba noxolo; libe iŕele lifike empêfumlweni.

11 Ngeloxesha kuya kutîwa kwababantu

Digitized by Google

nakwi-Yerusalem, Umoya olulopû lwaseluqayini entlango uza ngendlela yentombî yabantu bam, ungazeli kwela, ungazeli kucocisa;

12 Umoya onamandla ngapêzu kwezonto uzela mna; ngoku nam ndiya kutêtâ nabo imigwebo.

13 Yabona, unyuka njengamafu, zinjengesaqwiti inqwelo zokulwa zawo; anamendu kunenkozi amahashe awo. Yehake tîna! ngokuba sibûqiwe.

14 Yihlambûlule ububi intliziyo yakô, Yerusalem, ukuze usindiswe. Kuninina zilalisile pâkatî kwakô ingcinga zakô zobutshinga?

15 Ngokuba izwi lixelile lipûma kwa-Dan, livakalisa ububi ezintabeni zakwa-Efrayim,

16 Kânkanyani ezintlangeni; yabonani, vakalisani e-Yerusalem, nitî, Abangqingi beza bevela ezweni elikude, belikûpêla izwi labo pêzu kwemizi yakwa-Yuda.

17 Njengabalindi bamasimi bayicâsa ngenxa zonke; ngokuba ibinenkani kum, utsho u-Yehova.

18 Indlela zakô nentlondi zakô zakwenzela oko. Zinto zakô ezimbî ezo, inene zifara, inene zifike entliziyweni yakô.

19 Izibilini zam, izibilini zam! ndiyazibijabija ingontsi zentliziyo yam! iyaxokozela intliziyo yam! andinakutî-tu! kuba usivile isandi sesigodlo, mpêfumlo wam, ukuhlatywa komkôsi wemfazwe.

20 Kumenyezwa intshabalalo kantshabalalo; ngokuba libûqiwe lonke ilizwe; zibûqiwe ngesiqupê in-tente zam, ngepânyazo amalengalenga am.

21 Kuninina ndibona i-banile, ndisiva isandi sesigodlo?

22 Kuba bematîle abantu bam, mna abandazi; ngonyana abazidenge, abananggondo bona; banobulumko bokwenza ububi, ukulungisa abakwazi.

23 Ndakângela emhlabeni, nanko kusenyanyeni lilubala; nasezulwini, akwabikô kukânya kulo.

24 Ndakângela ezintabeni, nanzo zinyikima; nenduli zonke zigetyeza.

25 Ndakângela, nanko-ke kungekô mntu, nentaka zonke zezulu zibalekile.

26 Ndakângela, nantso i-Karmele[1] iyintlango, yonke imizi yayo idilikile pâmbî ko-Yehova, pambi kokuvutâ komsindo wakê.

27 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Kuya kuba senkangala kulo lonke ilizwe; kodwa ndingaligqibeli kupêle.

28 Ngenxa yoko umhlaba uya kuba nesijwili, libe nezimnyama zokuzila izulu ngapêzulu; ngenx' enokuba nditêtile; ndinqangiyele andisokuzohlwaya, andiyi kubuya umva kulonto.

29 Ngesandi sabamahashe nabezapêta iyabaleka yonke imizi; bangena ezintshinyeleni zehlatî, benyuka emixawukeni; yonke imizi ishiyiwe, akuhlali mntu kuyo.

30 Ke wena ubûqiweyo, uya kutî-nina? Nokuba utê wambâtâ ezibomvu, nokuba utê wavatâ izivatô ze-golide, nokuba utê wabêculula amehlo akô ngomsizi: ufumane wahombâ; ziya kukucekisa izitândane, zifuna umpêfumlo wakô.

31 Ngokuba ndive izwi elinjengelonenimbâ, imbândezelo enjengeyozibulayo, izwi lentombî engu-Tsiyon; inesinqâla, izolula izandla zayo, isitî, Atî-ke mna! ngokuba umpêfumlo wam utŷafile ngababulali.

5 Tŷutŷani izi-trate zase-Yerusalem, kânikângele, nazi, nifune ezindaweni zayo zembûtô, ukuba nomfumana-na umntu, ukuba ukôna owenza ngokusesikweni, ofuna ukunyanisa: ndoyixolela.

2 Nokuba batî, Ehleli-nje u-Yehova, boba bafunga bexoka.

3 Yehova, amehlo akô akajonge ekunyaniseni yinina? Uyababetâ, abevi ntlungu; uyabagqibela kupêle, abavumi ukutêtiswa; babenza ngwanyalala ubuso babo ngapêzu kwengxondoba, abavumi ukubuya.

4 Ndatî mna, Zizisweli zodwa zona zimatîle; ngokuba abayazi indlela ka-Yehova, nesiko lo-Tîxo wabo.

5 Ndokô ndiye kwabakûlu, nditêtê nabo; ngokuba bayayazi bona indlela ka-Yehova, isiko lo-Tîxo wabo; ke bona bayapûle kunye i-dyokwe, baziqaula izi-tropu.

6 Ngenxa yoko iyababulala ingonyama yasehlatîni, iyabadlavula incûka yasezinqantosini, ingwe ilalela imizi yabo; bonke abo bapûma kuyo bayaqwengwa; ngokuba luninzi ureqo lwabo, kuninzi ukupâmbâ kwabo.

7 Yinina ukuba ndikuxolele? Onyana bakô bandishiyile, bafunga abange tîxo;

[1] Intsimi ecûmayo.

Digitized by Google

ndabafungisa, ke barexeza, batî-nguŋga endlwini yehenyukazi.

8 Bayazibela njengenkunzi zamahashe ezityetyisiweyo, elowo ukônyela umfazi wowabo.

9 Ndingaveleli-na-ke ngenxa yezonto? utsho u-Yehova, ungapîndezeli-na-ke umpêfumlo wam kuhlanga olunje?

10 Nyukani ezindongeni zayo, nonakalise; kodwa ningagqibeli kupêle; susani amasebe ayo; ngokuba enge ngaka-Yehova.

11 Ngokuba itshinizile kakûlu kum indlu ka-Sirayeli nendlu ka-Yuda, utsho u-Yehova.

12 Bayamkânyela u-Yehova, batî, 'Asinguye, abuyi kusifikela ububi, asiyi kubona rele nandlala;

13 Aba-profeti baya kuba ngumoya, otêtâyo akakô kubo; makwenjiwe njalo kubo.

14 Ngako oko utsho u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, ukutî, Ngenx' enokuba nilitêtâ elozwi, yabona, ndiwenza umlilo amazwi am emlonyeni wakô, nababantu babe zinkuni, ubadle.

15 Yabona, ndifikisa pêzu kwenu uhlanga lwakude, ndlu ka-Sirayeli, utsho u-Yehova, luhlanga oluqinileyo, luhlanga oludala, luhlanga oluntetô ungayaziyo, ongayivayo into oluyitêtâyo.

16 Umpôngolo walo unjengencwaba elivulekileyo; bonke bepêla bangamagofa.

17 Luya kukudla ukuvuna kwakô nesonka sakô, luya kubadla onyana bakô nentombî zakô, luya kuyidla impahla yakô emfutshane nenkomo zakô, luya kuwudla um-diliya wakô nomkîwane wakô, luya kuyiviva ngepêle imizi yakô enqatyisiweyo okôlose ngayo.

18 Noko-ke ngalomihla, utsho u-Yehova ukutî. Andiyi kunigqibela kupêle.

19 Kutî, xa nitî, U-Yehova, u-Tîxo wetû uzenzele-nina ezonto zonke kutî? uz'utî kubo; Njengokuba nindishiyile mna, nakônza otîxo bolunye uhlanga ezweni lenu, kwangokunjalo niya kukônza abasemzini ezweni elinge lenu.

20 Kuxeleni oku endlwini ka-Yakobi, nikuvakalise kwa-Yuda, nitî,

21 Kânive oku, bantu bazidenge, bange nantliziyo, banamehlo, bengaboni; banendlebe, bengeva.

22 Mna anindoyiki-na? utsho u-Yehova, anizibijabiji-na ebusweni bam, mna ndiyibekileyo intlabati yangumda wolwandle, yangummiselo ongunapâkade olungawugqitîyo? ayalatyuza, angabi nakwenza nto, agqume amaza alo, angawugqitî.

23 Ke ababantu banentliziyo eyinjubaqa enenkani; bapâmbûkile bemka.

24 Abatsho nokutî ezintliziyweni zabo, Makê soyike u-Yehova u-Tîxo wetû, osinika imvula etâmbîsayo nevutîsayo ngexesha elililo; osigcinela i-veki ezimisiweyo zasekwindla.

25 Izenzo zenu ezigwenxa zizisunduzile ezonto, izono zenu zikutîntele kuni okulungileyo.

26 Ngokuba kufunyanwa abangendawo pâkatî kwabantu bam; bayalalela ngokuncatama kwabatîyeli, benza isihogo, babambîsa abantu.

27 Njengendlwane izele zintaka, zinjalo izindlu zabo ukuzala yinkohliso; ngenxa yoko bakûlile baba zityebi.

28 Batyebile bagudile; kananjalo bagqitisele ngezinto ezimbî; ityala abalilungisi, ityala lenkedama, ukuze zibe nempumelelo; abaligwebi ityala lamahlwempu.

29 Ndingaveleli-na-ke ngenxa yezonto? utsho u-Yehova; ungapîndezeli-na umpêfumlo wam kuhlanga olunje?

30 Kwenziwa into emangalisayo ebang'amanwele ezweni.

31 Aba-profeti baprofeta ngobuxoki, nabenzeleleli banobukôsi ngezandla zabo; abantu bam-ke batânda ukuba kube njalo. Niya kutî-nina-ke ekupêleni kwakô oko?

6 Sabisani, bonyana baka-Benyamin, nipûme pâkatî kwe-Yerusalem, nase-Tekowa, nivutêle isigodlo, nipâkamise into ipâkame pêzu kwe-Bete-hakerem; ngokuba ububi buyalunguza, buvela e-Ntla, nembûbîso enkûlu.

2 Umntwan'omhle, umtêketîswa, intombî engu-Tsiyon ndiyayitshabalalisa.

3 Beza kuyo abalûsi nemihlambî yabo, bagxumeka in-tente zabo ngenxa zonke kuyo; badla elowo endaweni yakê.

4 Yingcwaliseleni imfazwe; suk'umani, sinyuke emini enkulu. Atî-ke tina! imini iza kusangana, ngokuba amatûnzi okuhlwa ayoluka.

5 Suk'umani, sinyuke ebusuku, sizitshabalalise ingxande zayo ezinde.

Digitized by Google

6 Ngokuba utshilo u-Yehova wemikôsi ukutî, Yigauleni imitî yayo, niyifumbêle i-Yerusalem udonga lokungqinga; wona mzi wokuvelelwa, wonke upêla unocudiso pâkatî kwawo.

7 Njengoko iqula limpompozisa amanzi alo, yenje njalo ukumpompozisa izinto zayo ezimbî. Ukugonyamela nokubûqa kuvakala kuyo; kuhleli kukô pâmbî kobuso bam isifo nesibetô.

8 Yaleka, Yerusalem, hleze umpêfumlo wam uziqâule kuwe; hleze ndikwenze ube senkangala, ube lilizwe elingamiweyo.

9 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Baya kuwabîkica bawabîkice amasalela ama-Sirayeli njengom-diliya, sibuyisele isandla sakô emagatyeni njengomvuni we-diliya.

10 Ndiya kutêtâ kobanina, ndiqonononondise, beve? yabona, ayalûswanga indlebe yabo, abanako-ke ukubaza indlebe. Yabona, ilizwi lika-Yehova libe yingcikivo kubo, abalinanzile.

11 Ndizele bubushushu buka-Yehova; ndidiniwe kukububambâ. Bupâlazele pêzu komntwana esi-trateni, napêzu kwembutô yamadodana kunye; ngokuba indoda kwa nomfazi baya kubanjwa, amadoda amakûlu kwa nabazele yimihla;

12 Zigqitele kubambî izindlu zabo, amasimi nabafazi kunye; ngokuba isandla sam ndisolula pêzu kwabemi belizwe, utsho u-Yehova.

13 Kutâbatêla kwabancinane kwesa kwabakûlu, bonke bepêla bayabawa bebawile; kutâbatêla kum-profeti kwesa kumenzelele-li, bonke bepêla benza ngobuxoki.

14 Bakupîlisa kalula ukwapûka kwentombî yabantu bam, besitî, Luxolo, luxolo; kungekô luxolo.

15 Baya kudaniswa, ngokuba benze amasikizi; noko-ke abadani nokudana, abakwazi ukuba nentloni; ngako oko baya kuwa pâkatî kwabawayo; ngexesha lokubavelela kwam baya kukûbeka, utsho u-Yehova.

16 Utsho u-Yehova ukutî, Yimani ezindleleni, nikângele, nibuze umendo ongunapâkade, ukuba yiyipîna indlela yokulungileyo, nihambê ngayo, noyifumanela imipêfumlo yenu ukupumla; batî-ke bona, Asiyi kuhambâ ngayo.

17 Ndamisa pêzu kwenu ababoniseli, ndisitî, Libazeleni indlebe izwi lesigodlo; batî-ke bona, Asiyi kulibazela ndlebe.

18 Ngako oko yivani, zintlanga, wazi wena bandla okubahlelayo.

19 Yiva, mhlaba, yabona, ababantu ndibazisela ububi, isiqâmo sengcinga zabo; ngokuba amazwi am abawabazelanga indlebe, nomyalelo wam bawucekisile.

20 Yeyanina-ke lentlak'imhlope yakwa-Sheba iza kum, nomkânzi ovumbâ limnandi wasezweni elikude? Amadini enu anyukayo akakôlekile kum, nemibingelelo yenu ayimnandi kum.

21 Ngako oko utshilo u-Yehova ukutî; Yabona, ndibabekela izikûbekiso ababantu, bakûbeke kuzo oyise nonyana, ummelwane kunye nowabo, batshabalale.

22 Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, kuza abantu bevela ezweni lase-Ntla, uhlanga olukûlu luxôxwa luvele esinqeni somhlaba.

23 Baqubule isapêta nenculâ; bazijofa, abanamfesane; izwi labo ligquma njengolwandle, bakwêla emahasheni, bexôbe njengendoda yokulwa ukukufikela wena ntombî engu-Tsiyon.

24 Siluvile udaba lwalonto; ziwile izandla zetû; imbândezelo isibambîle, ukuzibijabija njengozalayo.

25 Musan' ukuya emasimini, ningahambî ngendlela; ngokuba utshaba lunefele, kunxungupâla ngenxa zonke.

26 Ntombî yabantu bam, bînqa ezifwexayo, uzigalele ngotûtû, menzele isijwili ozelwe wamnye, ukumbâmbâzela okuŕa-ŕa; ngokuba uya kusizela ngesiqupê umbûqi.

27 Ndikwenze umcikidi pâkatî kwabantu bam njengenqaba, ukuze uyazi uyicikide indlela yabo.

28 Bonke bepêla bazinjubaqa zazo injubaqa, behambâ behleba, balubêdu nesinyiti, bonke bepêla bayonakalisa.

29 Itshe ngumlilo imfutô, isekupêleni i-lote; bafumane benyibilikisa banyibilikise; abenzi bobubi abahlengeki.

30 Bayi-silvere ecekisiweyo ukubizwa kwabo, ngokuba u-Yehova ebacekisile.

7 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, lalisiti,

2 Yima esangweni lendlu ka-Yehova, umemeze kona elilizwi, utî, Yivani ilizwi lika-Yehova, nonke ma-Yuda ange-

Digitized by Google

nayo ngalamasango, ukuba niqubude ku-Yehova.

3 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yilungiseni indlela yenu nezenzo zenu, ukuze ndinibeke kulendawo.

4 Musan' ukukôlosa ngamazwi obuxoki, okuti, Yi-tempile ka-Yehova, yi-tempile ka-Yehova, yi-tempile ka-Yehova yona leyo.

5 Okanye ukuba nitê nazilungisa nizilungisa indlela zenu nezenzo zenu, ukuba nitê nakwenza nikwenza okusesikweni pâkati komntu nowabo,

6 Anamcudisa owasemzini nenkedama nomhlolokazi, analipâlaza igazi elimsulwa kulendawo, analandela tixo bambi, kube kubi kuni:

7 Ndonibeka kulendawo, ezweni endalinika oyihlo, kwasepâkadeni kuse epâkadeni.

8 Yabonani, nikôlosa ngamazwi obuxoki angancediyo.

9 Yini? niyebâ, nincinitê, nirexeze, nifunge ngobuxoki, niqûmisele ku-Bahali, nilandele tixo bambi eningabaziyo;

10 Nize-ke nime pâmbi kwam kulendlu, ibizwa ngegama lam, niti, Sihlangulelwe, ukuze senze lamasikizi onke.

11 Yaba ngumqolombâ wezihange-na emehlweni enu lendlu, ibizwa ngegama lam? Yabonani, mna lo ndibonile, utsho u-Yehova.

12 Ngokuba kâniye endaweni yam ebise-Shilo, apô ndalibeka kôna igama lam ekuqaleni, nibone endakwenzayo kuyo ngenxa yezinto ezimbi zabantu bam ama-Sirayeli.

13 Kaloku-ke ngokokuba nizenzile ezizenzo zonke, utsho u-Yehova, ndatêtâ kuni, nditêtâ kwakusa ningeva, ndinibiza ningasabeli:

14 Ndokwenza kulendlu, ibizwa ngegama lam, nikôlosa ngayo, nakulendawo ndaninika yona nina noyihlo, njengoko ndakwenzayo kwi-Shilo;

15 Ndinigxotê nisuke ebusweni bam, njengoko ndabagxotâyo abazalwana benu bonke, imbêwu yonke yakwa-Efrayim.

16 Wena-ke, mus'ukubatândazela ababantu, ungapimiseli kuhlahlambâ nakutândaza ngenxa yabo, ungandizami, ngokuba andiyi kukupûlapûla.

17 Akuboni-na abakwenzayo emizini yakwa-Yuda nasezi-trateni zase-Yerusalem?

18 Onyana batêza inkuni, oyise bapêmbâ umlilo, abafazi baxovula intlama, ukuba enzelwe izonkana ukumkanikazi wezulu, batûlulele tixo bambi umnikelo otûlulwayo, ukuze bandiqumbîse.

19 Baqumbîsa mna-na, utsho u-Yehova; abaziqumbîsi bona-na, ukuze budane ubuso babo?

20 Ngako oko, itsho i-Nkosi u-Yehova, ukuti, Yabona, umsindo wam nobushushu bam buya kupâlazelwa pêzu kwalendawo, pêzu kwabantu, napêzu kwenkomo, napêzu kwemiti yasendle, napêzu kweziqâmo zomhlaba, buvutê bungacimi.

21 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yongezani amadini enu anyukayo emibingelelweni yenu, nidle inyama.

22 Ngokuba anditêtânga noyihlo, andibawiselanga mtêtô ngendawo zamadini anyukayo nemibingelelo, mini ndabakûpâyo ezweni lama-Yiputa;

23 Kendabamisela elilizwi lokuti, Pûlapûlani lzwi lam: ndoba ngu-Tixo wenu, nibe ngabantu bam, nihambê ngendlela yonke endinimiselayo, ukuze kulunge kuni.

24 Ke abapûlapûlanga abayitôbanga indlebe yabo, bahambâ ngamaqinga, ngobunqôla bentliziyo yabo embi, bandinikela umhlana, ayabi bubuso.

25 Kususela kwalamini bapûma ngayo oyihlo ezweni lama-Yiputa unanamhla, ndazitûmela kuni zonke izicaka zam ababprofeti, ndizitûma imihla ngemihla kwakusasa;

26 Ke abapûlapûla kum, abayitôba indlebe yabo, bayenza lukûni intamo yabo, benza okubi kunoyise.

27 Ke uya kuwatêtâ kubo lamazwi onke, abayi kukupûlapûla; umemeza kubo, abayi kusabela.

28 Ke yiti kubo, Lulo olu uhlanga olungalipûlapûliyo ilizwi lika-Yehova u-Tixo walo, olungayivumiyo intetiso. Kupêlile ukutêmbêka, kunqumkile emlonyeni wabo.

29 Nqumla isitsaba sakô, *Yerusalem*, usilahle, umise isimbônono eluqayini; ngokuba u-Yehova usicekisile usincamile

Digitized by Google

isizukulwana sokupûpûma kwakê umsindo.

30 Ngokuba onyana baka-Yuda benze into embî emehlweni am, utsho u-Yehova, babeke izinto zabo ezinezotê endlwini, elibizelwa pezu kwayo igama lam, ukuze bayenze inqambî;

31 Bakê izigânga zase-Tofete, ezisemfuleni wakwa-Ben-hinom, ukuze batshise onyana babo nentombî zabo ngomlilo; into endingabawiselanga umtêtô ngayo, engatânga-qatâ entliziyweni yam.

32 Ngako oko yabona, iyeza imihla, utsho u-Yehova, abangasayi kuba satî, yi-Tofete, ngumfula wakwa-Ben-hinom; baya kutî, Ngumfula wokubulala, bancŵabele e-Tofete ngenx' enokuba kungekô ndawo.

33 Izidûmbû zabantu ziyakuba kukudla kwentaka zasendle nezilo zelizwe; kungabikô bani uzipêkuzayo.

34 Ndilipêzise emizini yakwa-Yuda nasezi-trateni zase-Yerusalem izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi; ngokuba liya kubâfa ilizwe.

8 Ngeloxesha, utsho u-Yehova, aya kukûtshwa emancŵabeni abo amatâmbô okumkani bakwa-Yuda, namatâmbô abatêtêli bakê, namatâmbô abenzeleleli, namatâmbô aba-profeti, namatâmbô abemi base-Yerusalem,

2 Anekwe elangeni, nasenyangeni, nasemkôsini wonke wezulu, into ezo ababezitânda, ababezikônza, ababezilandela, ababequqela kuzo, ababequbuda kuzo; akayi kuhlanganiswa, akayi kuncŵatywa, aya kuba ngumgquba pêzu kobuso bomhlaba.

3 Kunyulwe ukufa pêzu kobomi ngamasalela onke aseleyo kulemizalwana inento ezimbî, ezindaweni zonke endiwagxotêle kuzo amasalela, utsho u-Yehova wemikôsi.

4 Yitî-ke kubo, Utsho u-Yehova ukutî, Bayawa, bangavuki-na? uyapâmbâ, angabuyi-na umntu?

5 Kungatûba-nina ukuba ababantu base-Yerusalem bapâmbê ngokupâmbâ okungunapâkade? Bebambelela enkohlisweni, bengavumi ukubuya.

6 Ndabaza indlebe ndeva, batêtâ into engeyiyo; akukô bani uzohlwayayo ngento zakê ezimbî, atî, Yinto-nina le ndiyenzileyo? Bonke bepêla babuyela ekugidimeni kwabo njengehashe lifunzela emfazweni.

7 Kanti, nengwamza ezulwini iyawazi amaxesha ayo amisiweyo; nehobe nenkonjane nendwe ziligcinile ixesha lokufika kwazo; ke bona abantu bam abalazi isiko lika-Yehova.

8 Ningatî-nina ukutî, Sizizilumko, umyalelo ka-Yehova unatî? Yabonani, okwenene usiba lwababâli lobuxoki luwenze wabuxoki.

9 Zidanile izilumko, ziqîpuk' umbilini, zibanjisiwe; yabona, ziyalicekisa ilizwi lika-Yehova; zinobulumko bukabanina-ke?

10 Ngako oko ndiya kubanikela kubambî abafazi babo, namasimi abo ndiwanikele kubawahlutayo; ngokuba betâbatêla komncinane besa komkûlu, bonke bepêla babawa bebawile; betâbatêla kum-profeti besa kumenzeleleli, bonke bepêla benza ngobuxoki.

11 Bakupîlisa kalula ukwapûka kwentombî yabantu bam, besiti, Luxolo, luxolo; kungekô luxolo.

12 Baya kudaniswa, ngokuba benze amasikizi; noko-ke abadani nokudana, abakwazi ukuba nentloni, ngako oko baya kuwa pâkatî kwabawayo; ngexesha lokubavelela kwam baya kukûbeka, utsho u-Yehova.

13 Ndiya kubasusa ndimke nabo, utsho u-Yehova; kungabikô zi-diliya em-diliyeni, kungabikê makîwane emkîwaneni, igqabi libunile; ndisuke ndimise abo baya kugqitâ pêzu kwabo.

14 Sihlalele-nina? Zihlanganiseni, singene emizini enqatyisiweyo, sitshabalale kôna; ngokuba u-Yehova u-Tîxo wetû uza kusitshabalalisa, asiseze inyongo; ngokuba sonile ku-Yehova.

15 Besitêmbê uxolo, akwabikô nto ilungileyo; besitêmbê ixesha lokupîliswa, nanko ikudandatêka.

16 Livakala livela kwa-Dan itâtâ lamahashe abo; ngezwi lokukonya kwembalasane zamahashe abo liyanyikima ilizwe lonke. Bayeza, bayalidla ilizwe nenzaliseko yalo, umzi nabemi bawo.

17 Ngokuba yabonani, nditûmela pâkatî kwenu inyoka, onqinishe abange nakukâfulwa, banilume, utsho u-Yehova.

18 Uye pîna umtûtûzeli wam esinqâleni? inobulwelwe kum intliziyo yam.

Digitized by Google

19 Nalo izwi lokuzibika kwentombî yabantu bakowetû, livela ezweni elikude, lisitî, U-Yehova akakô-na e-Tsiyon? akakô-na kuyo ukumkani wayo? Kungatûba-nina ukuba bandiqumbîse ngemifanekiso yabo eqingqiweyo, ngento ezinge nto zolunye uhlanga?

20 Ukuvuna kudlule, ihlobo lipêlile, tîna-ke asikasindisiwa.

21 Ngenxa yokwapûka kwentombî yabantu bakowetû ndapûkile, ndinezimnyama zokuzila, ndibanjwe kukumangaliswa.

22 Akukô-na umatûnga e-Giliyadi? akukô gqiŕa-na kôna? Kutê-nina-ke ukuba kungabotshwa ukwapûka kwentombî yabantu bakowetû?

9 Ayaba intloko yam ibi ngamanzi, amehlo am elitênde lenyembêzi, bendiya kubalilela imini nobusuku ababuleweyo bentombî yabantu bakowetû!

2 Akwaba bendinendawo yokulalisa kwabahambî entlango, bendiya kubashiya abantu bakowetû, ndimke kubo! ngokuba bonke ngabaŕexezi, yingqungqutêla yamanginingini.

3 Bayalutyeda ulwimi lwabo ngobuxoki njengesapêta, abapâti ngokutêmbêka ezweni; bapûma entweni embî bangene entweni embî, babe mna-ke bengandazi, utsho u-Yehova.

4 Elowo makamlumkele uwabo, ningakôlosi nangomzalwana; ngokuba wonke umzalwana wenza ubuqînga, wonke uwabo uhambâ ehleba.

5 Elowo uyamkôhlisa uwabo, abatêtî nyaniso; bafundisa ulwimi lwabo ukutêtâ ubuxoki; bazidinise ngokwenza okugwenxa.

6 Ukuhlala kwakô kupâkatî kwenkohliso; ngenkohliso abavumi ukundazi, utsho u-Yehova.

7 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi, ukutî, Yabona, ndiya kubanyibilikisa, ndibacikide; ngokuba ndingatî-nina ngenxa yentombî yabantu bam?

8 Lutôlo olubulalayo ulwimi lwabo; batêtâ inkohliso; omnye utêtâ uxolo ngomlomo wakê kuwabo, ukanti embilinini wakê umlalele.

9 Ndingabaveleli-na-ke ngenxa yezonto? utsho u-Yehova; ungazipîndezeli-na umpêfumlo wam kuhlanga olunje?

10 Ngenxa yentaba ndibeka isililo nesimema, nangenxa yamaŕiwa entlango ndibeka isimbônono; ngokuba afakwe isikûni, akwabikô bani ugqitâyo kubo, alavakala izwi lemfuyo; kutâbatêla ezintakeni zezulu kwesa ezilweni, kusatyiwe, kwemkiwa.

11 Ndiyenze i-Yerusalem yangumwewe, yazikûndla zempungutye; ndiyenze imizi yakwa-Yuda yangamanxuwa, ayabi nammi.

12 Ngubanina indoda elumkileyo, ikuqonde oku? otêtîleyo kuyo umlomo ka-Yehova, ikuxele? Kungenxa yanina ukuba ilizwe litshabalale, lifakwe isikûni njengentlango, kungabikô bani ugqitâ kulo?

13 Watî u-Yehova; Kungenx' enokuba bewushiyile umyalelo wam, endawubeka pâmbî kwabo, abalipûlapûla izwi lam, abahambâ ngawo;

14 Balandela ubunqôla bentliziyo yabo, balandela o-Bahali, into abayifundiswa ngoyise.

15 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yabona, ndiya kubadlisa ababantu umhlonyane, ndibaseze inyongo,

16 Ndibapângalalise pâkatî kwentlanga, ababengazazi bona noyise; ndilitûmele iŕele emva kwabo, ndide ndibapêlise.

17 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Gqalani, nibize intokazi ezenza isimbônono, zize, nitûmele kwezilumkileyo, zize,

18 Zinxâme, zipîmisele pêzu kwetû isimema, ehle inyembêzi amehlo etû, zityityizele amanzi inkope zetû.

19 Ngokuba izwi lesimema livakala lipûma e-Tsiyon, lisitî, Hayi ukubûqeka kwetû! sidane kakûlu, kuba silishiyile ilizwe, kuba bewakâhlele pântsi amakâya etû.

20 Noko-ke liveni, zintokazi, ilizwi lika-Yehova, ilamkele ilizwi lomlomo wakê indlebe yenu, nizifundise intombî zenu isimema, omnye afundise uwabo isimbônono.

21 Ngokuba kunyukile ukufa nge-festile zetû, kungene ezingxandeni zetû ezinde, ukuba kunqumle abantwana ezi-trateni, amadodana endaweni yembûtô.

22 Têtâ utî, Utsho u-Yehova ukutî, Ziya kuwa-ke izidûmbû zabantu njengomgquba pêzu kwentsimi, nanjengesinde

Digitized by Google

emva komvuni, kungabikô ubahlanganisayo.

23 Utsho u-Yehova ukutî, Isilumko masingaqâyisi ngobulumko baso, igoña malingaqâyisi ngobugoña balo, isityebi masingaqâyisi ngobutyebi baso;
24 Oqâyisayo makaqâyise ngalento yokuba endiqiqa, endazi mna ukuba ndingu-Yehova, owenza inceba, nesiko, nobulungisa, emhlabeni; ngokuba ndinanze ezonto, utsho u-Yehova.
25 Yabona, iyeza imihla, utsho u-Yehova, endiya kubohlwaya bonke abalukileyo, pofu bengalukile;
26 Ama-Yiputa, nama-Yuda, nama-Edom, nonyana baka-Amon, nama-Mowabi, nonqutûl'inwele, abemi entlango; ngokuba zonke intlanga zingabangalukileyo, nendlu yonke yakwa-Sirayeli ingalukile ngentliziyo.

10 Liveni ilizwi alitêtâyo kuni u-Yehova, ndlu ka-Sirayeli;
2 Utsho u-Yehova ukutî, Musan' ukuziqêlisa indlela yentlanga, ningaqîpuk' umbilini yimiqondiso yezulu; ngakuba intlanga ziqîpuk' umbilini yiyo.
3 Ngokuba imimiselo yezizwe ayinto yanto. Kuba *izitîxo* zingumtî ogaulwe ehlatîni, sisenzo sezandla zencîbi ngezembê.
4 Izivatîsa nge-silvere nange-golide, baziqinisa ngezikonkwane nangezando, ukuba zingagexagexi.
5 Zinjengentsika ecwêliweyo, azitêtî; zimel' ukutwâlwa, ngokuba zinge nakuhambâ. Musan' ukuzoyika; kuba azinakwenza bubi; kwa nokulungisa azinakô.
6 Akukô namnye unjengawe, Yehova; umkûlu wena, likûlu igama lakô, linobugoña.
7 Ngubanina ongeze akoyike, Kumkani wentlanga? ngokuba kukufanele; kuba pâkatî kwezilumko zonke zentlanga, napâkatî kwezikumkani zonke akukô namnye unjengawe.
8 Zityakala, zinyabi zodwa; uqeqesho lwento engento, ngumtî.
9 Yi-silvere ekândiweyo, iziswa ivela e-Tarshishe, ne-golide yase-Ufazi, isenzo sencîbi nesezandla zomnyibilikisi we-golide; yimisonto emsi nemîusa izambâtô zazo; zonke zipêla zisisenzo sezilumko.
10 Ke yena u-Yehova ngu-Tîxo inyaniso, ngu-Tîxo opîlileyo, ngukumkani ongunapâkade; umhlaba uyanyikima bufalañume bakê, nentlanga azinakulutwâla ubâvumo lwakê.

11 Notsho kubo ukutî, Bona otîxo abangawenzanga amazulu nomhlaba baya kudaka emhlabeni, napântsi kwamazulu.

12 Ngulowenza umhlaba ngamandla akê, ulozinzisa elimiweyo ngobulumko bakê, waneka amazulu ngengqondo yakê;
13 Kwakubon'ukuba kukô isitônga sokwenza kwakê ingxolo yamanzi emazulwini, unyusa amafu esipêlweni somhlaba, imvula uyenzela imibane, afole umoya ezi-toreni zakê.
14 Uba sityakala wonke umntu enge nakwazi, udaniswa wonke umnyibilikisi we-golide ngumfanekiso oqingqiweyo; ngokuba umfanekiso wakê otŷidiweyo bubuxoki, awunamoya.
15 Zingamampunge ezonto, zizenzo zokugxekwa; ngexesha lokuvelelwa kwazo ziyatshabalala.
16 Akanjengazo u-Sahlulelo sika-Yakobi; ngokuba ngumbumbî wento zonke yena; u-Sirayeli sisizwe selifa lakê; ngu-Yehova wemikôsi igama lakê.

17 Hlanganisa impahla yakô, umke nayo kwelilizwe, wena uhleliyo ekungqingweni.
18 Ngokuba u-Yehova utshilo ukutî, Yabona, ndisaula abemi belizwe ngesisihlandlo, ndibabandezele, ukuze bafunyanwe.
19 Ati-ke mna ngenxa yokwapûka kwam; lelokubulala inxeba lam; ke mna nditî, Inyaniso sisifo sam esi, ndiya kusinyamezela.
20 In-tente yam ibûqiwe, nentambô zam zonke ziqâukile; onyana bam bapûmile kum, ababi sabakô; akusekô uyitwâbululayo in-tente yam, amise amalengalenga am.
21 Ngokuba abalûsi baba zityakala, abamfuna u-Yehova; ngenxa yoko abenzanga ngangqiqo, wacîtâcîtwa wonke umhlambî wabo.
22 Pûlapûlani! kuvakala into; nantso isiza; yingxolo enkulu ipûma ezweni lase-Ntla, ukuze imizi yakwa-Yuda ibe ngamanxuwa, ibe sikûndla sempungutye.
23 Ndiyazi, Yehova, ukuba ayikôna emntwini indlela yakê; akukôna endodeni ehambâyo ukuqinisela ukunyatêla kwayo.

Digitized by Google

24 Nditêtîse, Yehova, kodwa kube ngokwesiko, kungabi ngomsindo wakô, hleze undincipîse.

25 Pâlaza ubushushu bakô pêzu kwentlanga ezingakwaziyo, napêzu kwemizalwane engalinquliyo igama lakô; ngokuba zimdlile u-Yakobi, zimdlile zamgqiba, ifiwa lakê zalenza lisenkangala.

11 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, lisitî,

2 Waveni amazwi alomnqopîso, nitêtê kumadoda akwa-Yuda, nakubemi base-Yerusalem,

3 Utî kubo, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Mayiqalekiswe indoda engawevayo amazwi alomnqopîso,

4 Ndabawisela umtêtô ngawo oyihlo mhla ndabakûpâyo ezweni lase-Yiputa, ezikweni lesinyiti, ndatî, Lipûlapûleni ilizwi lam, niwenze ngoko konke ndiniwisela umtêtô ngako: noba ngabantu bam, nma ndibe ngu-Tîxo wenu.

5 Ukuze ndisimise isifungo endasifungela oyihlo, ukuba ndibanike ilizwe elinamasi nobusi, njengoko kunjalo namhla. Ndapêndula ndatî, Amen, Yehova.

6 Watî u-Yehova kum, Wamemeze lamazwi onke emizini yakwa-Yuda nasezitrateni zase-Yerusalem, utî, Yivani amazwi alomnqopîso, niwenze.

7 Ngokuba ndaqononondisa ndiqononondisa koyihlo mhla ndabakûpâyo ezweni lase-Yiputa, unanamhla, ndiqononondisa kwakusasa, ndisitî, Lipûlapûleni izwi lam.

8 Ke abevanga, abayitôbanga indlebe yabo, bahambâ elowo ngobunqôla bentliziyo yakê enobubi; ndesuka-ke ndazisa pêzu kwabo onke amazwi alomnqopîso, ndabawisela umtêtô ngawo, ukuba bawenze; abawenza.

9 U-Yehova watî kum, Kufunyenwe iyelenqe pâkatî kwamadoda akwa-Yuda napâkatî kwabemi base-Yerusalem.

10 Babuyele kuzo izenzo ezigwenxa zoyise bamandulo, ababengavumi ukuweva amazwi am; abasuka bona balandela tîxo bambî ukuze babakônze; indlu ka-Sirayeli nendlu ka-Yuda zawapûla umnqopîso wam endawenza noyise.

11 Ngako oko utsho u-Yehova, ukutî, Yabona, ndibazisela ububi abangayi kuba nakô ukupûma kubo; bakâle kum, ndingabapûlapûli.

12 Iya kuhambâ-ke imizi yakwa-Yuda nabemi base-Yerusalem, bakâle kotîxo abaqûmisela kubo, bangabasindisi nokubasindisa ngexesha lobubi babo.

13 Ngokuba ngangenani lemizi yakô baba ngako otîxo bo-Yuda; ngangenani lezi-trate zase-Yerusalem zaba ngako izibingelelo enazimisela into elidano, izibingelelo zokuqûmisela ku-Bahali.

14 Wena-ke mus'ukubatândazela ababantu, ungapîmiseli kuhlahlambâ nakutândaza ngenxa yabo; ngokuba andikuva ngexesha lokukâla kwabo kum ngenxa yobubi babo.

15 Ifuna nto-nina intânda yam endlwini yam, isenza amayelenqe-nje? Izibâmbâtiso nenyama engcwele zobususa-na ububi bakô, Yuda, kuwe? ubungandula udlamke.

16 U-Yehova wakubiza ngegama lokuba ungumnquma oluhlaza, oyimpuluswa osiqâmo sihle; wafaka isikûni kuwo, kukô isandi sengxabatshitshi enkulu, avivека amasebe awo.

17 Ke u-Yehova wemikôsi, owakutyalayo, utêtô okubi ngawe, ngenxa yezinto ezimbî zendlu ka-Sirayeli nendlu ka-Yuda, abazenzeleyo ukuze bandiqumbîse ngokuqûmisela u-Bahali.

18 Kekaloku u-Yehova wandazisa, ndazi; waza wandibonisa oko intlondi zabo.

19 Ndaba njengemvana embûna esiwa ekuxêlweni; bendingazi ukuba bacebe icebo ngam, besitî, Masiwonakalise umtî kunye neziqâmo zawo, masimnqumle ezweni labapîlileyo, lingabi sakûnjulwa igama lakê.

20 Yehova wemikôsi; ugwebayo ngobulungisa, uzicikidayo izintso nentliziyo, mandiyibone impindezelo yakô kubo; ngokuba ndiyitŷilile kuwe imbambâno yam nabo.

21 Ngako oko utsho u-Yehova ngamadoda ase-Anatoti, awunxâmeleyo umpêfumlo wakô, esitî, Uz'ungaprofeti ngegama lika-Yehova, ukuze ungafi ngezandla zetû.

22 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi, ukutî, Yabona, ndiya kubavelela; amadodana aya kufa ngerele, onyana babo nentombî zabo ziya kufa ngendlala;

Digitized by Google

23 Kungabikô masalela kubo; ngokuba ndiwazisela ububi amadoda ase-Anatoti, unyaka wokuvelelwa kwawo.

12 Ulilungisa, Yehova, xa ndibambêneyo nawe; ndotêtâ indawo ezisesikweni zodwa. Kungatûba-nina ukuba indlela yabangendawo ibe nempumelelo, babe nokucûlumacâ bonke abanginiza benginizile?

2 Ubatyele, bendela nokwendela ingcambû; bayakûla, benze neziqâmo. Usondele emlonyeni wabo, wakude ezintsweni zabo.

3 Wena, Yehova, uyandazi; uyandibona, uyicikida intliziyo yam enawe. Baqweqwedise njengegusha baxêlwe, ubangcwalisele umhla wokubulawa.

4 Kuninina ilizwe linesijwili, umfuno wamasimi onke womile? Ngenxa yento ezimbî zabemi balo zipêpêtêkile inkomo nentaka; ngokuba besitî, Akaliboni ikamva letû.

5 Xa ugidima nabenyawo, bakudinise, wotî-nina ukushiyiselana namahashe? xa ukôlose ngelizwe elinoxolo, wotî-nina ekweneni kwe-Yordan?

6 Ngokûba nabazalwana bakô, nendlu kayihlo, banginizile kuwe nabo; bayamemeza emva kwakô nabo ngezwikazi elikûlu. Mus'ukukôlwa ngabo, xa batêtâ izinto ezilungileyo kuwe.

7 Ndiyishiyile indlu yam, ndililahlile ilifa lam, ndiyinikele intânda yompêfumlo wam esandleni sentshaba zayo.

8 Ilifa lam lisuke laba njengengonyama yasehlatîni kum, lindikûpêle izwi lalo, ngenxa yoko ndilitîyile.

9 Ilifa lam lukôzi olutê-côkocôko-na kum, ukuba inkozi zilingungele-nje? Yizani, nihlanganise onke amafamncwa asendle, waziseni adle.

10 Abalûsi abaninzi basonakalisile isidiliya sam, basingqushile isiziba sam somhlaba, basibâfisile isiziba sam esinqwenelekayo sayintlango.

11 Basibâfisile; sisijwili ngenxa zonke kum, sibâfile; kusenkangala kulo lonke ilizwe, ngokuba akubangakô mntu ukubekela intliziyo oko.

12 Eluqayini lonke lwasentlango kufike ababûqi; ngokuba irele lika-Yehova liyadla, litâbatêla ekupêleni kwelizwe, lise ekupêleni kwelizwe; akukô luxolo kwinyama yonke.

13 Bahlwayela inqôlowa, bavuna ameva; bazifincile, abafeza luto. Danani-ke lungeniselo lwenu, ngenxa yobushushu bomsindo ka-Yehova.

14 Utsho u-Yehova ngabamelwane bam bonke abanobubi, abacûkumisa ilifa endalidlisa abantu bam ama-Sirayeli, ukutî, Yabonani, ndiyabanyotûla emhlabeni wabo, ndiyinyotûle indlu yakwa-Yuda pâkatî kwabo.

15 Kutî, emveni kokuba ndibanyotûle; ndibuye ndibe nemfesane kubo, ndibabuyisele elowo elifeni lakê, elowo emhlabeni wakê.

16 Kutî, ukuba batê bazifunda ngenkutâlo indlela zabantu bam, ukuba bafunge igama lam, batî, Ehleli-nje u-Yehova; njengoko babafundisayo abantu bam ukufunga u-Bahali; baze bakêke pâkatî kwabantu bam.

17 Ukuba batê abeva, ndolunyotûla olulanga, ndilunyotûle, ndilutshabalalise, utsho u-Yehova.

13 Utsho u-Yehova kum ukutî, Hambâ uye uzitêngele umbînqo welinen, uwubeke esinqeni sakô, ke uz'ungawufaki emanzini.

2 Ndawutênga-ke umbînqo ngokwelizwi lika-Yehova, ndawubeka esinqeni sam.

3 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum okwesibini, lisiti,

4 Wutâbatê umbînqo owutêngileyo, osesinqeni sakô, usuk'uye em-Frati, uwufihle kôna emfanteni yengxondofa.

5 Ndaya, ndawufihla em-Frati, njengoko wandiwisela umtêtô ngako u-Yehova.

6 Kwatî, ekupêleni kwemihla emininzi, watî u-Yehova kum, Suk'uye em-Frati, uwutâbatê kôna umbînqo, endakuwisela umtêtô ngawo, ukuba uwufihle kôna.

7 Ndaya-ke em-Frati, ndembâ, ndawutâbatâ umbinqo kulondawo bendiwufihle kuyo; nango wonakele umbînqo ungase namsebenzi.

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

9 Utsho u-Yehova ukutî, Ndiya kwenje nje ukulonakalisa iratshi lakwa-Yuda, iratshi elikûlu lase-Yerusalem.

10 Ababantu banobubi, bangavumiyo ukuva amazwi am, bahambâyo ngobunqôla bentliziyo yabo, balandela tîxo bambî, u-

Digitized by Google

kuze babakônze, baqubude kubo, baya kuba njengalombînqo ungase namsebenzi.
11 Ngokuba njengokuba umbînqo unamatêla esinqeni sendoda, ndenje njalo ukuyinamatêlisa kum yonke indlu ka-Sirayeli, nendlu yonke ka-Yuda, utsho u-Yehova, ukuze kum ibe ngabantu, ibe ligama, ibe yindumiso, ibe sihombô; ke abevanga.
12 Utêtê kubo elilizwi, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yonke imipânda iyazaliswa nge-wayini. Baya kutî kuwe, Asazi nokwazi-na ukuba yonke imipânda iyazaliswa nge-wayini?
13 Utî kubo, Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndibazalisa ngokunxila bonke abemi belilizwe, kwa okumkani abahlalele u-Davide e-troneni yakê, nabenzeleleli, nabaprofeti, nabemi bonke base-Yerusalem;
14 Ndibahlekezele elowo kuwabo, oyise nonyana kunye, utsho u-Yehova; andiyi kuba nalufefe, andiyi kuba nanceba, andiyi kuba namfesane, ukuba ndingabonakalisi.

15 Yivani, nibeke indlebe; musan' ukuzidla; ngokuba u-Yehova uyatêtâ.
16 Mzukiseni u-Yehova u-Tîxo wenu, engekahlisi ubumnyama, zingekabetêki ezintabeni zocolotî inyawo zenu, nitêmbê ukukânya, ke ukwenza itûnzi lokufa, akwenze isitôkotôko.
17 Ukuba anitânga nikuve oko: wolila umpêfumlo wam entsitêlweni ngenxa yoqânqalazo *lwenu*, lityityizele lityityizela lihle inyembêzi iliso; ngokuba umhlambî ka-Yehova utînjiwe.
18 Yitî kukumkani nakwinkosikazi, Zitôbeni, hlalani pântsi; nokuba siyehla ezintloko zenu isitsaba sokuhombâ kwenu.
19 Imizi yelise-Zantsi ivaliwe, akukô ungayivulayo; u-Yuda ufudusiwe epêla; ufudusiwe kanye.

20 Pâkamisani amehlo enu, nibone abavela e-Ntla. Upîna umhlambî obuwunikiwe, impahla yakô emfutshane entle?
21 Wotî-nîna, xa atê abo-ke ubaqêlise ukuba ngamakôlwane akô, wabenza bangabaveleli bayintloko kuwe? Azikukubambâ-na inimbâ njengomfazi ozalayo?
22 Naxa utê entliziyweni yakô, Kunganina ukuba ndifikelwe zezizinto? Ngobuninzi bobugwenxa bakô utŷilekile ingubo, zagonyamelwa izitênde zakô.

23 Um-Kushi unokuluguqula-na ulusû lwakê, nengwe inokuwaguqula-na amabala ayo? ningaba-ke ninakô ukulungisa nani baqêle ukwenza okubi.
24 Ndiya kubapângalalisa-ke njengomququ opêpuka nomoya wentlango.
25 Liqashiso lakô elo, isabelo sakô esilinganiselweyo ndim, utsho u-Yehova; ngokuba undilibele, wakôlosa ngobuxoki.
26 Nam ndiya kuyibênqa ingubo yakô, ibe pêzu kobuso bakô, kubonakale ukucukucezeka kwakô.
27 Ukurexeza kwakô nokukonya kwakô, amanyala okuhenyuza kwakô ezindulini ezindle, ndiwabonile amazotê akô. Atî-ke wena, Yerusalem, akuyi kuhlambûluka; ingafanelana ingumzuzu ongakananina?

14 Into eyafikayo ku-Yeremiya ililizwi lika-Yehova, ngendawo yokunqumka kwemvula.

2 Linesijwili elakwa-Yuda, amasango alo atê-matshamatsha, ahlala emhlabeni enezimnyama zokuzila, kuyenyuka ukukâla kwe-Yerusalem.
3 Ingangamsha zabo zitûme abapântsi bazo amanzi; bafike emaquleni, abafumana manzi; babuya imipânda yabo izê, badanile, bati-nqa, bagqubutêle intloko.
4 Ngenxa yomhlaba oqîpuk' umbilini, kuba kungabangakô mvula ezweni, abalimi badanile, bagqubutêle intloko.
5 Ewe nemazi yexâma iyazala endle, iyishiye inkonyana, ngokuba kungekô luhlaza.
6 Nama-esile asendle emi eluqayini, esezela umoya njengempungutye; ayapêla amehlo awo, ngokuba kungekô mifuno.

7 Ukuba ubugwenxa betû bunqîna ngatî, Yehova, yenza ngenxa yegama lakô; ngokuba kuninzi ukupâmbâ kwetû; sonile kuwe.
8 Têmbâ lika-Sirayeli, msindisi wakê ngexesha lembândezelo, yinina ukuba ube njengompâmbûkeli kwelilizwe, ube njengomhambî olalise okobusuku obunye?
9 Yinina ukuba ube njengendoda esuke yati-ñka, ube njengegoña elinge nakusindisa; kanti upâkatî kwetû, Yehova, negama lakô sibizwe ngalo. Mus'ukusiyekela.

Digitized by Google

10 Utsho u-Yehova kwababantu, ukutî, Benje nje ukutânda ukubâdula; inyawo zabo abazinqandanga; u-Yehova akakôliswa ngabo; kungoku uya kubukûmbûla ubugwenxa babo, azivelele izono zabo.

11 Watî u-Yehova kum, Mus'ukubatândazela ababantu, ukuba kulunge kubo.

12 Xa bazila ukudla, andiyi kukupûlapûla ukuhlahlambâ kwabo; naxa banyusa amadini anyukayo neminikelo yokudla, andiyi kukôliswa ngawo; ke ndiya kubapêlisa ngeřele, nangendlala, nangendyikitya yokufa.

13 Ndaza ndatî, Kwowu, Nkosi Yehova, yabona, aba-profeti batî kubo, Aniyi kubona řele, nendlala aniyi kuba nayo; ndiya kuninika uxolo oluyinyaniso kulendawo.

14 Watî u-Yehova kum, Aba-profeti baprofeta ubuxoki ngegama lam; andibatûmanga andibawiselanga mtêtô, anditêtânga kubo; bona baniprofetela umbono wobuxoki, nokuvumisa, nento engento, nenkohliso yentliziyo yabo.

15 Ngako oko utî u-Yehova ngokusingisele kuba-profeti abaprofeta ngegama lam, ndingabatûmanga mna, abatî, Akuyi kubakô řele nandlala kwelilizwe, utî, Baya kufa ngeřele nangendlala bona ababaprofeti.

16 Nababantu, baprofetela bona, baya kuba yimilahlwa ezi-trateni zase-Yerusalem ngenxa yendlala neřele; kungabikô ubancwabayo, bona, nabafazi babo, nonyana babo, nentombî zabo, ndibapâlazele ngento zabo ezimbî.

17 Ngoko uze utêtê kubo elilizwi lokutî, Amehlo am ahla inyembêzi ubusuku nemini, angapêzi; ngokuba yapûlwe ngolwapûlo olukûlu inkazana eyintombî yabantu bakowetû, ngenxeba elibulalayo kakûlu.

18 Ukuba nditê ndapûma ndaya emapândleni, nabo ababuleweyo ngeřele; ukuba nditê ndangena kuwo umzi, nabo abafa yindlala; ngokuba um-profeti kwa nomenzeleleli bayaquleka ezweni abangalaziyo.

19 Umcekise wapêla-na u-Yuda? udimele-na yi-Tsiyon umpêfumlo wakô? yinina ukuba usibetê, singabi nakupîliswa? Sitêmbê uxolo, akwabikô nto ilungileyo; sitêmbê ixesha lokupîliswa, nanko ikudandatêka.

20 Siyakwazi, Yehova, okungendawo kwetû, ubugwenxa bobawo; ngokuba sonile kuwe.

21 Ngenxa yegama lakô, mus'ukusigiba; ungayihlazise i-trone yobuqaqauli bakô; kûmbûla, ungawapûli umnqopîso wakô natî.

22 Pakati kotîxo abange nto bentlanga bakôna abanganisa imvula? amazulu angayinika-na imivumbî? Asinguwe-na, Yehova Tîxo wetû? Sitêmbê wenia; ngokuba uzenzile wena zonke ezonto.

15 Watî-ke u-Yehova kum, Kungafanelana kumi o-Moses no-Samuweli pâmbî kwam, umpêfumlo wam ubungebêke kwababantu. Bagxotê ebusweni bam, bapûme.

2 Kuya kutî, xa batê kuwe, Sipûme siye ngapîna? utî kubo, Utsho u-Yehova ukutî, Abokufa bafe; abeřele babe ngabeřele; abendlala babe ngabendlala; abokutînjwa batînjwe.

3 Ndibavelela ngentlobo ezine, utsho u-Yehova: iřele, ukuba libulale; izinja, ukuba zirwiqilize; intaka zezulu nezilo zomhlaba, ukuba zidle, ukuba zonakalise.

4 Ndibanikele kwizikumkani zonke zomhlaba ukuba babe yinto yokunqakulwa ngenxa ka-Manase unyana ka-Hezekiya, ukumkani wakwa-Yuda, ngenxa yoko wakwenzayo e-Yerusalem.

5 Ewe, ngubanina oya kuba nofefe kuwe, Yerusalem? ngubanina oya kukukûza? ngubanina oya kupâmbûka abuze ukupîla kwakô?

6 Wena undilahlile, utsho u-Yehova, ubuya umva; ndiya kusolula isandla sam ngakuwe, ndikonakalise; ndidiniwe kukuzohlwaya.

7 Ndibacîtâcîtê nge-folokwe emasangweni elizwe, ndibahlute abantwana abantu bam, ndibatshabalalise; bengabuyi-nje ezindleleni zabo.

8 Abahlolokazi babo bazimfidi kum kunentlabati yolwandle; ndizisa kubo pêzu konina wamadodana umbûqi emini enkulu; ndibawisela ngesiqupê inimbâ nokukwânqiswa.

9 Uyantshwenya ozele abasixênxe, upûma umpêfumlo; liyatshona ilanga lakê kusesemini; udanile, unentloni; namasalela abo ndiwanikela eřeleni pâmbî kwentshaba zabo, utsho u-Yehova.

Digitized by Google

10 Atí-ke mna, má, ukuba uzale umna, umntu wembâmbâno, umntu wengxabano nomhlaba wonke. Andibolekanga, 'andabolekwa; bonke bepêla bayanditshabîsa.

11 U-Yehova utí, Inyaniso, ndiya kukuqinisela wena kokulungileyo; inyaniso, ndiya kulubongozisa utshaba kuwe ngexesha lobubi nangexesha lembândezelo.

12 Ke sapûka-na isinyiti, isinyiti sase-Ntla nobêdu?

13 Ubutyebi bakô nobuncwane bakô ndibunikele ukuba bube lixôba, kunge ngaxabiso, ngenxa yezono zakô zonke, nasemideni yakô yonke;

14 Ndibuweze nentshaba zakô, ndibuye ezweni ongalaziyo; ngokuba kupênjwe umlilo ngomsindo wam, uvutâ pêzu kwenu.

15 Wena Yehova, uyazi. Ndikûmbûle, undivelele, undipîndezelele kubasukeli bam; ekuzekeni kade komsindo wakô ungandikûkûlisi; yazi ukuba ndithwele ihlazo ngenxa yakô.

16 Afumaneka amazwi akô, ndawadla; amazwi akô kum aba yimihlali nemivuyo yentliziyo yam, ngokuba ndabizwa ngegama lakô, Yehova, Tixo wemikôsi.

17 Andihlalanga embûtweni yabahleki, andadlamkanga nokudlamka; ngenxa yesandla sakô ndahlala ndedwa; ngokuba undizalisile ngokubâvuma.

18 Yinina ukuba umvandedwa wam uhlala uhleli, nenxeba lam libulale, lingavumi ukupôla? wohl'ube *ngumlambô* okôhlisayo-na kum, omanzi angahlaliyona?

19 Ngako oko utsho u-Yehova, ukutí; Ukuba utê wabuya: ndokubuyisa, ubuye ume pâmbí kwam; ukuba utê wakûpâ okunqabileyo kokunge-ni: woba njengomlomo wam; abo baya kubuyela kuwe; ke wena akuyi kubuyela kubo.

20 Ndiya kukwenza udonga lobêdu olunqatyisiweyo kwababantu, balwe nawe, bangabi nakukutí-ni; ngokuba ndinawe, ukuze ndikusindise mna, ndikuhlangule, utsho u-Yehova;

21 Ndikuhlangule esandleni sabangendawo, ndikukûlule ekubambêni kwabangeangcazelisayo.

16 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

2 Uz'ungazeki mfazi, ungabi nanyana nazintombí kulendawo.

3 Ngokuba u-Yehova utsho ngonyana nentombí ezizalelwa kulendawo, nangonina ababazalayo, nangoyise ababazalayo kwelilizwe, ukutí,

4 Baya kufa zizifo ezibulalayo, bangambâmbâzelelwa, bangancwatywa, baya kuba ngumgquba pêzu komhlaba; baya kupêla ngerele nangendlala, nezidûmbû zabo zibe kukudla kwentaka zezulu nezilo zomhlaba.

5 Ngokuba utsho u-Yehova ukutí, Mus'ukungena endlwini yesijwili, ungayi kumbâmbâzela, ungabakûzi; ngokuba ndilususile uxolo lwam kwababantu, inceba nemfesane, utsho u-Yehova;

6 Ukuba kufe abakûlu kwa nabancinane kwelilizwe, bangancwatywa, kungambâmbâzelwa ngenxa yabo, kungacentwa, kungacêtywa intloko ngenxa yabo;

7 Bangaqêkezelwa sonka esijwilini *sabo*, ukuba batûtûzelwe ngenxa yofileyo; bangasezwa ngendebe yentutûzelo ngenxa yoyise nengenxa yonina.

8 Uz'ungangeni endlwini yesidlo ukuba uhlale nabo, udle, usele;

9 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutí, Yabonani, ndiya kulipêzisa kulendawo, pâmbí kwamehlo enu nangemihla yenu, izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi.

10 Kekaloku kotí, xa utê wabaxelela ababantu lamazwi onke, baza batí kuwe, Kungenxa yanina ukuba u-Yehova abutêtê ngatí bonke obububi bukûlu kangaka, buyinina ubugwenxa betû, siyinina isono setû, esone ngaso ku-Yehova u-Tixo wetû?

11 Wotí kubo, Kungenxa yokuba oyihlo bendishiyile, utsho u-Yehova, balandela tixo bambí, babakônza, baqubuda kubo, mna bandishiya, umyalelo wam abawugcina;

12 Nasuka-ke nina, nenza okubi ngapêzu koyihlo; nanko nilandela elowo ubunqôla bentliziyo yakê enobubi, ningandipûlapûli:

13 Ndiyanijulela ngapândle, niye ezweni eningalazanga nina noyihlo, nikônzele kôna apô tixo bambí imini nobusuku; ngokuba ndingayi kuba nataru kuni.

Digitized by Google

14 Ngako oko yabonani, iyeza imihla, utsho u-Yehova, ekungayi kuba satĭwa, Ehleli-nje u-Yehova, owabanyusayo onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Yiputa;

15 Ekuya kutĭwa, Ehleli-nje u-Yehova, owabanyusayo onyana baka-Sirayeli ezweni lase-Ntla, nasemazweni onke, ebebagxotêla kuwo, ndibabuyisele kowabo umhlaba endawunika oyise.

16 Yabonani, nditûmela ababambĭsi bentlanzi abaninzi, beze bababambĭse, utsho u-Yehova; emveni koko nditûmele abazingeli abaninzi, beze babazingele, bapûme nabo ezintabeni zonke, nasezindulini zonke, nasezimfanteni zengxondofa.

17 Ngokuba amehlo am akuzo zonke indlela zabo, azisitêle kum; abufihlakele ubugwenxa babo pâmbĭ kwamehlo am.

18 Kuqala, ndibuvuze kabini ubugwenxa babo nesono sabo, ngenxa yokulihlambêla kwabo ilizwe lam ngezidûmbû zezinto zabo ezinezotê, belizalisa ilifa lam ngamasikizi abo.

19 Yehova, mandla am, nqaba yam, ndawo yokusabela kwam ngomhla wembândezelo, ziya kuza kuwe intlanga, zivela ezipêlweni zomhlaba, zitĭ, Obawo badla ilifa lobuxoki bodwa, amampunge la, ekungekô nto inokunceda pâkatĭ kwawo.

20 Umntu lo uzenzela otĭxo yinina, benge ngabo otĭxo?

21 Ngako oko, yabona, ndiyabazisa ngesisihlandlo, ndibazise isandla sam nobugofa bam, bazi ukuba igama lam linguYehova.

17 Isono sika-Yuda sibâlwe ngenxôla yesinyiti, sarolwa ngetsolo le-dayiman elucwecweni lwentliziyo yabo, nasezimpondweni zezibingelelo zenu.

2 Njengokubakûmbûla kwabo onyana babo bayazikûmbûla izibingelelo zabo, no-Ashera babo ngasemitĭni eluhlaza, ezindulini ezinde.

3 Ntaba yam esezweni, ubutyebi bakô nobuncwane bakô bonke ndibunikela ekupângweni, nezigânga zakô ngenxa yezono emideni yakô yonke;

4 Uliyeke ngokwako ilifa lakô endakunikayo; ndikukônzise kwintshaba zakô elizweni ongalaziyo; ngokuba niwupêmbĭle umlilo ngomsindo wam, uvutâ usa epâkadeni.

5 Utsho u-Yehova ukutĭ, Iqalekisiwe indoda ekôlosa ngomntu, eyenza inyama ingalo yayo, intliziyo yayo imka-nje ku-Yehova,

6 Ibe njengocûshuluzayo enqantosini, ingaboni kufika nto ilungileyo; ime engqaqasini, entlango, ezweni letyuwa elinge nammi.

7 Isikelelwe indoda ekôlosa ngo-Yehova, enkoloseko iku-Yehova;

8 Kuba yoba njengomtĭ omiliselwe emanzini, unabise ingcambû zawo pêzu komlambô, ungoyiki xa kutê kweza ubushushu; aqâme amagqabi awo, ungakâtâli ngomnyaka wokubalela, ungayeki ukuvelisa iziqâmo.

9 Intliziyo inenkohliso ngapêzu kwento zonke, isisifo esibi; ngubanina onokuyazi?

10 Mna Yehova ndiyayigocagoca intliziyo, ndiyazicikida izintso, ukuze ndinike ulowo nalowo ngokwendlela yakê, ngokwesiqâmo sentlondi zakê.

11 Njengesikwatsha esifukamela amaqanda esingawazalanga ngozuza ubutyebi ngokunge sesikweni; uya kubushiya pâkatĭ kwemihla yakê, abe sidenge ekupêleni kwakê.

12 Wena trone yobuqaqauli, mongamo kwasekuqaleni, ndawo yengcwele yetû;

13 Têmba lika-Sirayeli, Yehova, bonke abakushiyayo baya kudana. Abatyekayo kum baya kubâlelwa emhlabeni; ngokuba belishiyile itênde lamanzi apĭlileyo, u-Yehova.

14 Ndipĭlise, Yehova, ndipĭle; ndisindise, ndisinde; ngokuba indumiso yam nguwe.

15 Yabona, batĭ, Lipĭna ilizwi lika-Yehova? malize kaloku-nje.

16 Mna andikubalekelanga ukuba ngumalûsi emva kwakô; andiwunqwenelanga umhla onesifo, wena uyazi; okupûme emlonyeni wam bekupâmbĭ kobuso bakô.

17 Mus'ukundiqĭpul' umbilini, ulihlatĭ lam ngomhla wobubi.

18 Mabadane abandisukelayo, mandingadani mna; mabaqĭpuk' umbilini bona, mandingaqĭpuk' mbilini mna; bazisele imini yobubi, ubapûle ngolwapûlo olubini.

19 U-Yehova watsho kum ukutĭ; Hamb' uye kuma esangweni lonyana babantu, abangena ngalo okumkani bakwa-

Digitized by Google

Yuda, abapûma ngalo, nasemasangweni onke ase-Yerusalem;

20 Utî kubo; Liveni ilizwi lika-Yehova, nina bokumkani bakwa-Yuda, nani ma-Yuda nonke, nani bemi bonke base-Yerusalem, bangenayo ngalamasango;

21 Utsho u-Yehova ukutî, Zigcineni ngenxa yemipêfumlo yenu, ningatŵali mtŵalo ngomhla we-sabatâ, niwungenise ngamasango ase-Yerusalem;

22 Ningapûmi nomtŵalo ezindlwini zenu ngomhla we-sabatâ, ningenzi nalinye ishishini; wungcwaliseni umhla we-sabatâ, njengoko ndabawiselayo umtêtô oyihlo.

23 Ke abevanga abazitôbanga indlebe zabo, bayenza lukûni intamo yabo, ukuze bangeva, ukuze bangavumi ntetîso.

24 Kotî-ke, ukuba nitê nandipûlapûla, utsho u-Yehova, anangenisa mtŵalo ngamasango alomzi ngomhla we-sabatâ, nawungcwalisa umhla we-sabatâ, anenza nalinye ishishini ngawo:

25 Koti-ke kungene ngamasango alomzi okumkani nabatêtêli, abahleli e-troneni ka-Davide, bekŵele ezinqweleni nasemahasheni, bona, nabatêtêli babo, amadoda akwa-Yuda, nabemi base-Yerusalem; lomzi umiwe ngonapâkade.

26 Baya kuvela emizini yakwa-Yuda, nangenxa zonke e-Yerusalem, nasezweni lakwa-Benyamin, nasesitâbazini, nakwelitê-tabalala, nakwelise-Zantsi, bezisa amadini anyukayo, nemibingelelo, neminikelo yokudla, nentlak'emhlope, bangenise umbulelo endlwini ka-Yehova.

27 Ke ukuba anitânga nindipûlapûle ukuba niwungcwalise umhla we-sabatâ, ningatŵali mtŵalo, ningangeni ngamasango ase-Yerusalem ngomhla we-sabatâ: ndofaka isikuni emasangweni ayo, udle ingxande ezinde zase-Yerusalem, ungacinywa.

18 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, lalisitî.

2 Suk'uhle, uye endlwini yombumbî, ndikuvise kôna amazwi am.

3 Ndehla-ke, ndaya endlwini yombumbî, nanko esenza ishishini ezintendeni.

4 Sakonakala isitya abesenza ngodongwe, esandleni sombumbî; wabuya wenza sitya simbî ngalo, njengoko kwakutêtye emehlweni ombumbî ukusenza.

5 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

6 Andinakô-na ukuxelisa lombumbî ukwenza kuni, ndlu ka-Sirayeli? utsho u-Yehova. Yabonani, njengoko lunjalo udongwe esandleni sombumbî, ninjalo nina esandleni sam, ndlu ka-Sirayeli.

7 Ngepânyazo nditêtâ ngohlanga nobukumkani, ukuba ndilunyotûle, ukuba ndiludilize, ukuba ndilutshabalalise;

8 Ololuhlanga lubuye ezintweni zalo ezimbî, olo nditêté ngalo, ndozohlwaya ngenxa yobubi, ebendisitî ndiza kubenza kulo.

9 Ngepânyazo nditêtâ ngohlanga nobukumkani, ukuba ndilwakê, ukuba ndilutyale;

10 Kodwa-ke ukuba lutî lwenze okubi emehlweni am, lungalipûlapûli izwi lam, ndozohlwaya ngenxa yokulungileyo, ebendisitî ndiza kukwenza kulo.

11 Ngoku-ke kâutêtê kumadoda akwa-Yuda, nakubemi base-Yerusalem, utî, Utshilo u-Yehova ukutî, Yabonani, ndinibumbêla ububi, ndiceba ngani icebo; kânibuye elowo endleleni yakê enobubi, nilungise indlela zenu nentlondi zenu.

12 Ke bona batî, Kuncamekile; ngokuba siya kulandela awetû amacebo, senze elowo ubunqôla bentliziyo yakê enobubi.

13 Ngako oko utsho u-Yehova, ukutî. Kânibuze pâkatî kwentlanga, ngubanina okê weva into enje? Yenze into ebanga amanwele kunene intombî engu-Sirayeli.

14 Ikêpû lase-Lebanon liya kulishiya-na iliwa lasezweni? amanzi anengqele, aqukuqelayo evela kude, ayakutsha-na?

15 Ukanti abantu bam bandilibele; baqûmisela kwinto ezikohlakeleyo; ezibakûbekisayo ezindleleni zabo, emikandlweni engunapâkade, ukuze bahambê ngomendo, ngendlela engalungeleliswanga,

16 Ukuze balenze ilizwe labo ummangaliso nomsondlo ongunapâkade; bonke abagqitâ kulo baya kumangaliswa, bahlunguzele intloko.

17 Njengomoya wasempumalanga ndiya kubapângalalisa pâmbî kotshaba; ndibanikele umhlana, ndingabanikeli ubuso ngomhla wokusindeka kwabo.

18 Batî-ke, Yizani sicebe icebo ngo-Yeremiya; ngokuba awuyi kupêla umyalelo kumenzeleleli, neqînga kwisilumko, nelizwi kum-profeti. Yizani simbetê ngolwimi, singawabazeli ndlebe amazwi akê onke.

Digitized by Google

19 Ndibazele indlebe, wena Yehova, live izwi lababambêne nam.

20 Kuya kuvuzwa ngobubi-na esikûndleni sokulungileyo, ukuba bawumbêle isihogo-nje umpêfumlo wam? Kûmbûla ukuma kwam pâmbî kwakô, ukuba nditêtê okulungileyo ngabo, ukuba ndibuyise ubushushu bakô kubo.

21 Ngako oko banikele onyana babo endlaleni, ubalahlele emandleni eřele, abafazi babo bangabi nabantwana, babe ngabahlolokazi, amadoda abo abulawe kukufa, amadodana abo abulawe ngeřele emfazweni.

22 Makuvakale ukukâla ezindlwini zabo, xa ubazisela amatutu ngesiqupê; ngokuba bambê isihogo sokundibambîsa, bazifihlela izibatâ inyawo zam.

23 Ke wena, Yehova, uyawazi onke amaqînga abo okundibulala; mus'ukubuxolela ubugwenxa babo ngocamagusho, ungasicimi isono sabo ebusweni bakô; ukuze bakûbeke pâmbî kwakô; ngexesha lomsindo wakô yenza kubo.

19 Utsho u-Yehova ukutî, Yiya utênge inqâyi yombumbî wezitya zodongwe, *utâbatê* inxenye yamadoda amakûlu abantu, neyamadoda amakûlu abenzeleleli,

2 Upûme uye emfuleni wakwa-Ben-hinom olunge nesango lenkambâ, umemeze kôna amazwi endiya kuwatêtâ kuwe,

3 Utî, Yivani ilizwi lika-Yehova, bokumkani bakwa-Yuda, nani bemi base-Yerusalem, utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo wakwa-Sirayeli, ukutî, Yabonani, ndiyizisela ububi lendawo, obuya kubetâ zitî-nzwi indlebe zabo bonke ababuvayo;

4 Ngenx' enokuba bendishiyile mna, bayenza eyasemzini lendawo, baqûmisela tîxweni bambî abangabaziyo, bona, noyise, nokumkani bakwa-Yuda, bayizalisa lendawo ngegazi labamsulwa;

5 Bamakêla u-Bahali izigānga, ukuze babatshise onyana babo ngomlilo, babe ngamadini anyukayo ku-Bahali, into endingabawiselanga mtêtô ngayo, endingayitêtânga, engatânga-qatâ entliziyweni yam.

6 Ngako oko uyabona, iyeza imihla, utsho u-Yehova, engasayi kuba sabizwa lendawo ngokutî yi-Tofete, nomfula wakwa-Ben-hinom; kuya kutîwa ngumfula wokubulala.

7 Ndilitûlulele iqînga lakwa-Yuda ne-Yerusalem kulendawo, ndibawise ngeřele pâmbî kwentshaba zabo, nangezandla zabawufunayo umpêfumlo wabo, ndizinikele izidūmbū zabo zibe kukudla ezintakeni zezulu nasezilweni zomhlaba;

8 Ndiwenze lomzi ummangaliso nomsondlo; bonke abagqitâ kubo bomangaliswa, benze umsondlo ngazo izibetô zawo zonke;

9 Ndibadlise inyama yonyana babo nenyama yentombî zabo, elowo adle inyama yowabo, ekungqingweni nasekucutŵeni, eziya kubacutâ ngako intshaba zabo nabawufunayo umpêfumlo wabo.

10 Uyiqêkeze inqâyi emehlweni amadoda ahambâ nawe,

11 Utî kuwo, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ndiya kwenje nje ukubaqêkeza ababantu nalomzi njengokuqêkezwa kwezitya zombumbî, ezingase nakubuye zincitywe; babancŵabele e-Tofete ngokungabikô ndawo yakuncŵaba.

12 Ndiya kwenje njalo kulendawo, utsho u-Yehova, nakubemi bayo, ukuze lomzi ndiwenze ube njenge-Tofete.

13 Izindlu ze-Yerusalem nezindlu zokumkani bakwa-Yuda zibe yinqambî njengendawo ye-Tofete; zonke izindlu, abaqûmisela pêzu kopâhla lwazo kuwo wonke umkôsi wasezulwini, batûlulela tîxo bambî iminikelo etûlulwayo kubo.

14 Wabuya u-Yeremiya e-Tofete, apô u-Yehova abemtûmele kôna, ukuba aprofete; wema entendelezweni yendlu ka-Yehova, watî kubantu bonke,

15 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yabonani, ndiwuzisela lomzi nemizi yawo yonke bonke ububi endibutêtîleyo ngawo; ngokuba beyenze lukûni intamo yabo, ukuze bangaweva amazwi am.

20 Kekaloku u-Pashure unyana ka-Imere, umenzeleleli, lowo-ke ube ngumveleli oyingānga endlwini ka-Yehova, weva u-Yeremiya eprofeta lamazwi;

2 U-Pashure wambetâ u-Yeremiya umprofeti, wamfaka e-stokisini esisesangweni elipezulu lakwa-Benyamin, elisendlwini ka-Yehova.

3 Kwatî ngengomso, u-Pashure wamkûpâ u-Yeremiya e-stokisini. Watî u-Yeremiya kuye, U-Yehova akatî lingu-Pashu-

Digitized by Google

re igama lakô, utî lingu-Nxungupâla-ngenxa-zonke.

4 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndikwenza uzinxungupâlise wena ngokwakô nabo bonke abakutândayo; bawe lirele lentshaba zabo, abone amehlo akô, ndiwanikele onke ama-Yuda esandleni sokumkani wase-Babeli, abafudusele e-Babeli, ababulale ngerele;

5 Ndiyinikele yonke ingqwebo yalomzi, nongeniselo lwawo lonke, nento zawo zonke ezinqabileyo; nobuncwane bonke bokumkani bakwa-Yuda ndibunikele ezandleni zentshaba zabo, zibupânge, zibutâbatê, zibuse e-Babeli,

6 Wena Pashure, nabo bonke abahleli endlwini yakô, niya kutînjwa; uye e-Babeli, ufele kôna, uncwatyelwe kôna wena nabakutândayo bonke, obaprofetele ubuxoki.

7 Yehova, undifwebeshile, ndafwebesheka; undibambîle, wandeyisa; ndaba yintlekisa yonke imini, bonke bepêla bayandigculela.

8 Ngokuba nditî, ndakutêtâ, ndikâle, ndidanduluke, nditî, Lugonyamelo nobûqo; ngokuba ilizwi lika-Yehova laba singcikivo nesicukucezo kum yonke imini.

9 Nditî ndakutî, Andisayi kumkânkanya, andisayi kutêtâ ngegama lakê: kusuke entliziyweni yam kunge ngumlilo otshayo, uvalelwe ematânjeni am, ndadinwa kunyamezela, andabi nakô.

10 Ngokuba ndivile intlebendwane yabaninzi, batî, Kunxungupâla ngenxa zonke. Xelani, simxele. Bonke abafo ababexolelene nam balinde ukuqwalela kwam; batî, mhlaumbî angafwebesheka, simeyise, simpîndezele.

11 Ke u-Yehova unam njengegofa elingcangcazelisayo; ngenxa yoko baya kukûbeka abandisukelayo, abayi koyisa; baya kudana kakûlu, ngokuba bengenzanga ngengqiqo; ihlazo labo lingunapâkade, alinakulityalwa.

12 Wena-ke Yehova wemikôsi, ulicikidayo ilungisa, uzibonayo izintso nentliziyo, mandiyibone impindezelo yakô kubo; ngokuba ndikutyilele ubambâna lwam.

13 Vumani ku-Yehova, mdumiseni u-Yehova, ngokuba ewuhlangule umpêfumlo wehlwempu esandleni sabenzi bobubi.

14 Mawuqalekiswe umhla endazalwa ngawo; umhla, awandizala ngawo umâ, mawungasikeleleki.

15 Mayiqalekiswe indoda, eyamshumayeza ubawo udaba lokuti, Uzalelwe umntwana oyinkwenkwe; yamvuyisa kakûlu.

16 Londoda mayibe njengemizi awayibûkuqayo u-Yehova, akazohlwaya; mayive ukukâla kusasa, ive kuhlatywa umkôsi emini enkulu;

17 Ngokuba ingandibulalanga kwasesizalweni, waza waba lincwaba lam umâ, isizalo sakê sahlala sindimitî.

18 Ibi yinina ukuba ndipûme esizalweni, ukuze ndibone ukwapûka nesinqâla, ipêle imihla yam kudana?

21 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, ekutûmeni kokumkani ongu-Tsedekiya o-Pashure unyana ka-Malekiya, no-Tsefaniya unyana ka-Mahaseya, umenzeleleli, kuye, ukutî,

2 Kâusibuzele ku-Yehova; ngokuba u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli esilwa natî; mhlaumbî u-Yehova wosenzela ngokwemisebenzi yakê yonke ebalalekileyo, enyuke esuke kutî yena.

3 Watî u-Yeremiya kubo, Notsho ku-Tsedekiya, ukuti,

4 Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî; Yabonani, ndiyazijika impahla zemfazwe ezisezandleni zenu, enilwa ngazo nokumkani wase-Babeli nama-Kaledi aningqingayo, ngapândle kodonga, ndizihlanganisele esazulwini salomzi;

5 Ndilwe nani mna ngesandla esolukileyo nangengalo etê-nqi, ndinomsindo, ndinobushushu, ndinobufalafume obukûlu.

6 Ndibabetê abemi balomzi, abantu kwa nenkomo; baya kufa ngendyikitya yokufa enkulu.

7 Emveni koko, utsho u-Yehova, ndimnikele u-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, nabakônzi bakê, nabantu abo baseleyo kulomzi endyikityeni yokufa, naseřeleni, nasendlaleni, ndibanikele esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, nasesandleni sentshaba zabo, nasesandleni sabawufunayo umpêfumlo wabo, ababetê ngohlangoti lwerele; akayi kuba nanceba kubo, akayi kubaconga, akayi kuba namfesane.

8 Ke kwababantu wotî, Utsho u-Yeho-

Digitized by Google

va ukutí, Yabonani, ndibeka pâmbí kwenu indlela yobomi nendlela yokufa.
9 Oté wahlala kulomzi uya kufa lirele, nayindlala, nayindyikitya yokufa; ke yena oté wapúma, wapâmbêla kuma-Kaledi aningqingayo, uya kupílla umpéfumlo wakê, ube lixóba kuye.
10 Ngokuba ubuso bam kulomzi ndibumisele ububi, andibumisele okulungileyo, utsho u-Yehova; uya kunikelwa esandleni sokumkani wase-Babeli, awutshise ngomlilo.

11 Ke kwindlu yokumkani wakwa-Yuda *woti*, Yivani ilizwi lika-Yehova,
12 Ndlu ka-Davide, utsho u-Yehova ukutí, Tétâni amatyala imiso yonke, opângiweyo nimhlangule esandleni somcudisi, hleze ubushushu bam bupúme njengomlilo, butshise, kungabikó ucimayo ngenxa yobubi bentlondi zenu.
13 Yabonani, ndicâsene nani, bemi bentili, beliwa lehewu, utsho u-Yehova, nina batí, Ngubanina oya kuhla pézu kwetú? ngubanina oya kusingenela emakâya?
14 Ke ndonivelela ngokwesiqâmo sentlondi zenu, utsho u-Yehova, ndifake isikúni ehlatíni layo, udle umlilo ngenxa zonke kuyo.

22 Utsho u-Yehova ukutí, Yihla uye endlwini yokumkani wakwa-Yuda, utéte kóna elilizwi,
2 Utí, Yiva ilizwi lika-Yehova, kumkani wakwa-Yuda, uhleliyo e-troneni ka-Davide, wena, nabakónzi bakó, nabantu bakó abangenayo ngalamasango.
3 Utsho u-Yehova ukutí, Yenzani okusesikweni nobulungisa, opângiweyo nimhlangule esandleni somcudisi, ningamxinzeleli pântsi, ningamgonyameli owasemzini nomhlolokazi nenkedama, ningapâlazi gazi limsulwa kulendawo.
4 Ngokuba xa nitê nalenza nokulenza elilizwi: bongena ngamasango alendlu okumkani, abahlalela u-Davide e-troneni yakê, bekwele ezinqweleni nasemahasheni, yena, nabakónzi bakê, nabantu bakê.
5 Ke ukuba nitê anaweva lamazwi: ndizifungile mna, utsho u-Yehova, ukuba lendlu iya kuba linxuwa.
6 Ngokuba utshilo u-Yehova ngendlu yokumkani wakwa-Yuda, ukutí; Ulelase-Giliyadi wena kum, incopo ye-Lebanon; inyaniso, ndiya kukwenza intlango, imizi engamiweyo.
7 Ndikungcwalisele abonakalisi elowo abe nempahla zakê, bagaule imi-sedare yakó enyuliweyo, bayipóse emlilweni,
8 Kudlule kulomzi intlanga ezininzi, batí elowo kuwabo, Kungenxa yanina ukuba u-Yehova enje nje kulomzi mkúlu?
9 Batí-ke, Kungenxa yokuba bewushiyile umnqopiso ka-Yehova u-Tixo wabo, baqubuda tíxweni bambí, babakónza.

10 Musan' ukumlilela ofileyo, ningahlunguzeli intloko ngenxa yakê; lilani nilile ngomkileyo; ngokuba akasayi kubuya abuye, alibone ilizwe lokuzalwa kwakê.
11 Ngokuba utsho ukutí u-Yehova ngo-Shalum unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, owaba ngukumkani esikúndleni sika-Yosiya uyise, owapúma kulendawo, Akasokubuya abuyele apâ;
12 Ke uya kufela endaweni abamfudusele kuyo, angabi sabuya alibone elilizwe.

13 Yeha koyakâyo indlu yakê kunge ngabulungisa, namagumbí akê apézulu kunge ngokusesikweni, komkónzisayo uwabo ngelizé, angamniki umvuzo wakê;
14 Kotí, Ndiya kuzakêla indlu ebanzi, namagumbí apézulu anombilini, ayigqoboze i-festile ezininzi, ayifulele ngemi-sedare ayiqabe ngembóla.
15 Unobukumkani-na, xa ushiyisela *ngokwakâ* ngemi-sedare? Uyihlo ubengadli, asele, enze okusesikweni nobulungisa yinina? kwaza kwalunga kuye.
16 Ubeligweba ityala losizana nolihlwempu; kwaza kwalunga. Asikukó-na oko ukundazi? utsho u-Yehova.
17 Ngokuba akabêke ntweni amehlo akó nentliziyo yakó, kupêla akwinzuzo yakó nakwigazi labamsulwa, ukuze lipâlazwe; asekucudiseni nasekuvikiveni, ukuba wenze oko.
18 Ngako oko utsho u-Yehova ngo-Yoyakim unyana ku-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, ukutí, Abayi kummbâmbâzelela, besití, Yó, mnakwetú! yó, dade wetú! Abayi kummbâmbâzelela, besití, Yó, nkosi! yó, ndili yakê.
19 Uya kuncwatywa ngokuncwatywa kwe-esile, afwiqilizwe, alahlwe kude namasango ase-Yerusalem.

20 Nyuka i-Lebanon, ukâle; nase-Ba-

Digitized by Google

shan kûpâ izwi lakô, ukâle e-Habarim; ngokuba zapûkile zonke izitândane zakô.
21 Ndatêtâ nawe ucûlumacîle; watî wena, Andiyi kuva. Yindlela yakô leyo kwasebuncinaneni bakô, ukuba ungalipûlapûli izwi lam.
22 Umoya uya kubadla bonke abalûsi bakô, zitînjwe izitândane zakô; wandule ukudana inene, uve ihlazo ngenxa yezinto zakô ezimbî zonke.
23 Wena uhleliyo e-Lebanon, uyakêlayo emi-sedareni indlu yakô, hayi ukugcuma kwakô ekufikelweni kwako zinimbâ, kukuzibijabija njengozalayo.
24 Ndihleli-nje, utsho u-Yehova, ukuba u-Koniyahu unyana ka-Yoyakim, ukumkani wakwa-Yuda, ebe ngumsesane wokutywina esandleni sam sokunene, bendiya kumncotûla nakôna;
25 Ndimnikele esandleni sabawufunayo umpêfumlo wakê, nasesandleni sabo uboyikayo, nasesandleni sika-Nebukadenetsare, ukumkani wase-Babeli, nasesandleni sama-Kaledi.
26 Ndinijulele kwelinye ilizwe wena, nonyoko owakuzalayo, apô naningazalelwanga kôna; nifele kôna.
27 Ke lona ilizwe, abaya kupâkamisela umpêfumlo wabo kulo, ukuba babuyele kulo, abasayi kubuyela kulo.
28 Lomfo u-Koniyahu ngumpânda odelekileyo oza kuhlekezwa-na? uyimpahla engananziweyo-na? Kungandawo-nina ukuba bajulelwe, yena nembêwu yakê, bapôswe ezweni abangalaziyo?
29 Lizwe, lizwe, lizwe, live ilizwi lika-Yehova.
30 Utsho u-Yehova ukutî; Lomfo mbâleleni ekutîni akanabantwana, yindoda enge nampumelelo emihleni yayo; ngokuba akayi kuba nampumelelo umntu wasembêwini yakê, ohlala e-troneni ka-Davide, esalaula kwa-Yuda.

23 Yeha-ke kubalûsi abatshabalalisa bacîtâcîtê umhlambî wedlelo lam, utsho u-Yehova.
2 Ngako oko utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ngabalûsi abo balûsa abantu bam, ukutî, Niwucîtâcîtâ umhlambî wam, nawubêbêta, anawuvelela; yabonani, ndiya kunivelela ngenxa yobubi bentlondi zenu, utsho u-Yehova;
3 Ndiwabutê mna amasalela omhlambî wam emazweni onke endawagxotêla kuwo, ndiwabuyisele emarîweni awo, aqâme, ande;
4 Ndiwamisele abalûsi bawalûse, angabi soyika, angaqîpuk' umbilini, kungabikô ulahlekayo, utsho u-Yehova.

5 Yabonani, iyeza imihla, utsho u-Yehova, endiya kumnisela u-Davide i-Hlumelo elililungisa, libe ngukumkani ongukumkani, enze ngengqiqo, enze okusesikweni nobulungisa emhlabeni.
6 Ngemihla yakê uya kusindiswa u-Yuda, u-Sirayeli ahlale ekôlosile; negama lakê aya kubizwa ngalo leli lokuba, Ngu-Yehova ububulungisa betû.
7 Ngako oko yabonani, iyeza imihla, utsho u-Yehova, abangasayi kuba satî, Ehleli-nje u-Yehova, owanyusa onyana baka-Sirayeli ezweni lama-Yiputa;
8 Baya kutî, Ehleli-nje u-Yehova, owayinyusayo, owayizisayo imbêwu yendlu yakwa-Sirayeli, ivela ezweni lase-Ntla, nasemazweni onke endabagxotêla kuwo; bahlale emhlabeni wabo.

9 Ngokusingisele kuba-profeti. Yapûkile intliziyo yam pâkatî kwam, até-fehlefehle onke amatâmbô am. Ndisuke ndaba njengendoda enxilayo, njengomfo oweyiswe yi-wayini; ngenxa ka-Yehova, nangenxa yamazwi akê angcwele.
10 Ngokuba ilizwe lizele ngabafexezi, ngokuba ngenxa yentshwabulo ilizwe lenza isijwili, omile amarîwa entlango; usuke wambî umkôndo wabo, ubugofa babo abulunganga.
11 Ngokuba um-profeti kwa nomenzelelleli ngabenzi bobubi; ndizifumene nasendlwini yam izinto zabo ezimbî, utsho u-Yehova.
12 Ngako oko indlela yabo kubo iya kuba njengendawo ezibutêlezi esitôkotôkweni, baya kutŷalwa, bawe kôna; ngokuba ndibazisela ububi, unyaka wokuvelelwa kwabo, utsho u-Yehova.
13 Kuba-profeti bakwa-Samari ndibone ubufedelele; baprofeta ngo-Bahali, belahlekisa abantu bam ama-Sirayeli.
14 Ke kuba-profeti base-Yerusalem ndibone into ebang' amanwele, ukufexeza, nokuhambâ ebuxokini, bomeleze izandla zabenzi bobubi, kungabuyi mntu ebubini bakê. Bonke bepêla banjenge-Sodom kum, nabemi bakôna banjenge-Gomora.

Digitized by Google

15 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi ngokusingisele kuba-profeti, ukutî, Yabonani, ndobadlisa umhlonyane, ndibaseze inyongo; ngokuba kuba-profeti base-Yerusalem kupûma ububi, buye kulo lonke ilizwe.

16 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Musan' ukuwapûlapûla amazwi aba-profeti abaniprofetelayo; banenza into enge nto, batêtâ umbono wentliziyo yabo, ongapûmiyo emlonyeni ka-Yehova.

17 Bamana ukutî kwabandigibayo, U-Yehova utêtîle, Niya kuba noxolo; nakubo bonke abahambâyo ngobunqôla bentliziyo zabo batî, Aniyi kuhlelwa bubi.

18 Ewe ngubanina kubo ome elucweyweni luka-Yehova, walibona waliva ilizwi lakê? ngubanina olibazele indlebe ilizwi lam, waliva?

19 Yabonani, umoya ovutûzayo ka-Yehova, upûme ubushushu, umoya ovutûzayo osisaqwîtî uya kuqwîtêla entloko yabangendawo.

20 Awuyi kubuya umsindo ka-Yehova, ade awenze, ade ayimise iminqangiyelo yentliziyo yakê; ekupêleni kwemihla nokugqala nikuqonde oko.

21 Andibatûmanga aba-profeti abo, kugidime bona; anditêtânga kubo, kanti kuprofete bona.

22 Ukuba bebe selucweyweni lwam, ngebevakalisa amazwi am kubantu bam, bababuyisa endleleni yabo embî nasebubini bentlondi zabo.

23 Ndingu-Tîxo wakufupî-na? utsho u-Yehova, ndingabi ngu-Tîxo wakude-na?

24 Wositêla-na umntu ezintsitêlweni, ndingamboni-na? utsho u-Yehova. Andizalise izulu nomhlaba-na mna? utsho u-Yehova.

25 Ndikuvile abakutêtâyo aba-profeti, abaprofeta ubuxoki egameni lam, besitî, Ndipûpîle, ndipûpîle.

26 Koba ninina kuyilento entliziyweni yaba-profeti abaprofeta ubuxoki, aba-profeti benkohliso yentliziyo yabo?

27 Bacinga ngokubalibazisa-na abantu bam, balilibale igama lam ngamapûpâ abo, abawalaulayo elowo kuwabo, njengoko oyise balilibalayo igama lam ngo-Bahali?

28 Um-profeti onepûpâ makalaule ipûpâ; onelizwi lam makatêtê ilizwi lam enyanisile. Yinto-nina enomququ nenqôlowa? utsho u-Yehova.

29 Alinjengomlilo-na ilizwi lam? utsho u-Yehova; nanjengesando esihlekeza ingxondoîa?

30 Ngako oko yabonani, ndicâsene naba-profeti, utsho u-Yehova, abawebayo amazwi am elowo kuwabo.

31 Yabonani, ndicâsene naba-profeti, utsho u-Yehova, abatâbatâ ulwimi lwabo, batî, Utsho.

32 Yabonani, ndicâsene naba-profeti ababrofeta amapûpâ abuxoki, utsho u-Yehova, bawalaule, babalahlekise abantu bam ngobuxoki babo nangokugasa kwabo, endingabawiselanga mtêtô, abangabancediyo nokubanceda ababantu, utsho u-Yehova.

33 Kekaloku, xa batê bakubuza ababantu, nokuba ngum-profeti, nokuba ngumenzeleleli, besitî, Ziyinto-nina izihlabo zika-Yehova? wobaxelela into eziyiyo izihlabo, zitî, Ndiya kunilahla, utsho u-Yehova.

34 Um-profeti, nomenzeleleli, nabantu, abaya kutî, Izihlabo zika-Yehova, ndiya kumvelela lomntu nendlu yakê.

35 Yitshoni elowo kuwabo, elowo kumzalwana wakê, ukutî, Utê-nina ukupêndula u-Yehova? utê-nina ukutêtâ u-Yehova?

36 Ke zona izihlabo zika-Yehova zeningabi sazikânkanya; ngokuba liya kuba zihlabo kwindoda ilizwi layo, niwajikilenje amazwi ka-Tîxo opîlileyo, u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo wetû.

37 Wotsho kum-profeti ukutî, Utê-nina u-Yehova ukukupêndula? utê-nina u-Yehova ukutêtâ?

38 Ke ukuba nitî, Izihlabo zika-Yehova; ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yokutêtâ kwenu elolizwi lokutî, Izihlabo zika-Yehova, kanti nditûmele kuni ukutî, Ize ningatsho ukutî, Izihlabo zika-Yehova;

39 Ngako oko, yabonani, ndiya kunilibala mpela, ndinilahle ebusweni bam nina, nalomzi ndaninikayo noyihlo;

40 Ndibeke pêzu kwenu isingcikivo esingunapâkade, ihlazo elingunapâkade, elinge nakulityalwa.

24 U-Yehova wandibonisa, nanzo ingobozi ezimbîni zamakîwane zibekiwe pâmbî kwe-tempile ka-Yehova; emveni kokuba u-Nebukadenetsare uku-

Digitized by Google

mkani wase-Babeli ebebatîmbîle u-Yekoniya unyana ka-Yoyakim, ukumkani wakwa-Yuda, nabatêteli bakwa-Yuda, nencî bi, nabakândi, ebasusa e-Yerusalem, ebasa e-Babeli.

2 Enye ingobozi ibi namakîwane alungileyo kakûlu, enjengamakîwane azintlahlela ekuvutwêni, enye ingobozi ibi namakîwane amabi kunene, ange nakudliwa ngobubi bawo.

3 Watî-ke u-Yehova kum, Ubona ntonina, Yeremiya? Ndatî, Amakîwane; amakîwane alungileyo elunge kunene; amabî emabî kunene, enge nakudliwa ngobubi bawo.

4 Kwafika kum ilizwi lika-Yehova, lisitî,

5 Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Njengalomakîwane alungileyo, ndiya kwenje njalo ukubakângelela okulungileyo abatînjiweyo bakwa-Yuda endibagxotîileyo kulendawo, baya ezweni lama-Kaledi,

6 Ndilimisele okulungileyo iliso lam kubo, ndibabuyisele kwelilizwe, ndibakê, ndingabagungxuli; ndibatyale, ndingabanyotûli;

7 Ndibanike intliziyo yokundazi, ukuba ndingu-Yehova, babe ngabantu bam, ndibe ngu-Tixo wabo; ngokuba baya kubuyela kum ngentliziyo yabo yonke.

8 Ke njengamakîwane amabî ange nakudliwa ngobubi, inene, utsho u-Yehova ukutî, Ndiya kumenza abe njalo u-Tsedekiya ukumkani wama-Yuda, nabatêtêli bakê, namasalela ase-Yerusalem aseleyo kwelilizwe, nahleliyo ezweni lama-Yiputa;

9 Ndibanikele kwizikumkani zonke zomhlaba, ukuba babe yinto yokunqakulisa, babe nobubi, babe sisingcikivo, nomzekeliso, nento yentsini neyokutshabiswa endaweni zonke endibagxotêla kôna;

10 Ndilitûme pâkatî kwabo ifele, nendlala, nendyikitya yokufa, bade bagqitywe, bapêle emhlabeni endawunika bona noyise.

25 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya ngokusingisele ebantwini bonke bakwa-Yuda, ngomnyaka wesine ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, ongumnyaka wokuqala ka-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli;

2 Awalitêtâyo u-Yeremiya um-profeti kubantu bonke bakwa-Yuda nakubemi bonke base-Yerusalem, esitî,

3 Kutâbatêla kumnyaka weshumi elinesitâtû ka-Yosiya unyana ka-Amon, ukumkani wakwa-Yuda, kuzise kulemini, leminyaka imashumi mabini anamitâtû, bekufika ilizwi lika-Yehova kum, benditêtâ kuni, ndivuka kwakusasa nditêtê; anevanga noko.

4 U-Yehova watûmela kuni bonke abakônzi bakê aba-profeti, ebatûma evuka kwakusasa; anipûlapûlanga noko, anazitobânga indlebe zenu ukuba nive;

5 Baye besiti, Kânibuye elowo endleleni yakê embî, nasebubini bentlondi zenu: nohlala emhlabeni awaninikayo u-Yehova nina noyihlo, ngonapâkade kanapâkade.

6 Ningalandeli tixo bambî, ningabakônzi, ningaqubudi kubo, ningandiqumbîsi ngezenzo zezandla zenu, ukuze ndingenzi nto imbî kuni.

7 Anipûlapûlanga kum, utsho u-Yehova, ukuze nindiqumbîse ngezenzo zezandla zenu, kuze kube kubi kuni.

8 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ngenx' enokuba ningawevanga amazwi am,

9 Yabonani nditûmela ukuba ndiyitâbatê yonke imizalwane yelase-Ntla, utsho u-Yehova, nditûmela ku-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, umkônzi wam, ndiyizisele pêzu kwelilizwe, napêzu kwabemi balo, napêzu kwezintlanga zonke, ngenxa zonke; ndizisingele pântsi, ndizenze ummangaliso nomsondlo, nempânza ezingunapâkade;

10 Ndilipêlise pâkatî kwazo izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi, izwi lokusila nokukânya kwesibane.

11 Elilizwe lonke libâfe, kube senkangala kulo, ezintlanga zimkônze ukumkani wase-Babeli iminyaka emashumi asixênxe.

12 Kutî-ke, xa izalisekileyo iminyaka emashumi asixênxe, ndivelele ukumkani wase-Babeli, nololuhlanga ngenxa yobugwenxa babo, utsho u-Yehova, nelizwe lama-Kaledi ndilenze kube senkangala nonapâkade;

13 Ndilizisele elolizwe onke amazwi am endawatêtâ ngalo; into yonke ebâliweyo kulencwadi, ayiprofetileyo u-Yeremiya ngentlanga zonke.

14 Ngokuba ziya kuwakônzisa nawo intlanga ezininzi nokumkani abakûlu, ndi-

Digitized by Google

wavuze ngokwemisebenzi yawo, nangokwezenzo zezandla zawo.

15 Ngokuba utshilo kum u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Tâbatâ lendebe ye-wayini yobushushu esandleni sam, useze ngayo intlanga zonke, endikutûmela kuzo;

16 Zisele, zihexe, zigeze ngenxa yefele endilitûmela pâkati kwazo.

17 Ndayitâbatâ-ke indebe esandleni sika-Yehova, ndaziseza zonke intlanga, awanditûmela kuzo u-Yehova;

18 I-Yerusalem, nemizi yakwa-Yuda, nokumkani bayo, nabatêteli bayo, ukuba benziwe impânza, nommangaliso, nomsondlo, nentshabiso, njengoko kunjalo namhla;

19 U-Faro ukumkani wase-Yiputa, nabakônzi bakê, nabatêteli bake, nabantu bakê bonke;

20 Nomxukuxela wonke, nokumkani bonke belizwe lakwa-Utse, nokumkani bonke belizwe lama-Filisti, ne-Ashkelon, ne-Gaza, ne-Ekron, namasalela ase-Ashdode;

21 U-Edom, no-Mowabi, nonyana baka-Amon.

22 Nokumkani bonke base-Tire, nokumkani bonke base-Tsidon, nokumkani bonke besiqiti esipêsheya kolwandle;

23 U-Dedan, no-Tema, no-Buzi, nonqutûl' inwele bonke;

24 Nokumkani bonke bama-Arabi, nokumkani bonke bomxukuxela omiyo entlango;

25 Nokumkani bonke bama-Zimri, nokumkani bonke bama-Elam, nokumkani bonke bama-Medi;

26 Nokumkani bonke belase-Ntla, abakufupi nabakude, elowo nomzalwana wakê, nezikumkani zonke zehlabati ezipêzu komhlaba; asele emva kwabo ukumkani wase-Sheshaki.

27 Ngoko-ke woti kubo, Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Selani ninxile, nihlanze, niwe ningavuki, ngenxa yefele endilitûmela pâkati kwenu.

28 Koti, xa batê abavuma ukuyitâbatâ indebe esandleni sakô ukuba basele, uti kubo, Utsho u-Yehova wemikôsi ukuti, Niya kusela ngenene.

29 Ngokuba yabonani, ndiqalela emzini obizwa ngegama lam, ukuhlisa ububi, ningaba msulwa nide nibe msulwa-na-ke nina? Aniyikuba msulwa; ngokuba ifele ndilibizela bonke abemi bomhlaba, utsho u-Yehova wemikôsi.

30 Ke wena ubaprofetele lomazwi onke, uti kubo, U-Yehova uya kubâfula pêzulu, alikûpê izwi lakê ekâya lakê eliyingewele; uya kubâfula alibâfulele iriwa; uya kubahlabela amayéyéyé njengabaxovuli be-diliya bonke abemi bomhlaba.

31 Ingxolo iya kufika esipêlweni somhlaba; ngokuba u-Yehova ubambéne nentlanga; uya kugweba pakati kwenyama yonke; abangendawo ubanikela efeleni, utsho u-Yehova.

32 Utsho u-Yehova wemikôsi ukuti, Yabonani, ububi buya kupûma eluhlangeni, buye eluhlangeni, umoya omkûlu ovutûzayo uvuke esinqeni somhlaba.

33 Ababuleweyo ngu-Yehova ngalomini, batâbatêle ekupêleni komhlaba, bese ekupêleni komhlaba, bangambâmbâzelelwa, bangahlanganiswa, banganewatywa; baya kuba ngumgquba pêzu komhlaba.

34 Bômbôlozani, balûsi, nikâle; nizigalele *ngotûtû*, zingangamsha zomhlambi; ngokuba izalisekile imihla yenu yokuba nisikwe; ndinipângalalise, niwe njengesitya esinqwenelekayo.

35 Ipêle intsabo kubalûsi, nokusinda kwingangamsha zomhlambi.

36 Yivani! ukukâla kwabalûsi nokubômbôloza kwengangamsha zomhlambi; ngokuba u-Yehova uyalibûqa idlelo labo.

37 Atê-shwaka amafiwa oxolo, ngenxa yokuvutâ komsindo ka-Yehova.

38 Ulushiyile njengengonyama entsha udada lwakê; ngokuba kutê kwaba senkangala kulo ilizwe labo ngenxa yefele elidlavulayo, nangenxa yokuvutâ komsindo wakê.

26 Ekuqalekeni kobukumkani buka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, kwafika elilizwi, lipûma ku-Yehova, lisiti,

2 Utsho u-Yehova ukuti, Yima entendelezweni yendlu ka-Yehova, utêtê kuyo yonke imizi yakwa-Yuda, eza kuqubuda endlwini ka-Yehova, onke amazwi endikuwisele umtêtô wokuba uwatêtê kubo; ungasusi zwi kuwo.

3 Mhlaumbi baya kuva, babuye elowo endleleni yakê embi, ndizohlwaye ngenxa yobubi, endicinga ukubenza kubo ngenxa yobubi bentlondi zabo.

Digitized by Google

4 Utí kubo, Utsho u-Yehova ukutí, U-kuba nitê anandipûlapûla, nihambê ngo-myalelo wam, endiwubeke pâmbí kwenu,
5 Anawapûlapûla amazwi ezicaka zam aba-profeti, endibatûmela kuni, ndibatû-ma ndivuka kusasa, anaweva:
6 Ndoyenza lendlu ibe njenge-Shilo, ndi-wenze lomzi into yokutshabiswa ezintla-ngeni zonke zomhlaba.
7 Babemva-ke u-Yeremiya abenzeleleli naba-profeti nabantu bonke, etêtâ lama-zwi endlwini ka-Yehova.
8 Kekaloku ekugqibeni kuka-Yeremiya konke abewiselwe umtêtô ngu-Yehova u-kuba akutêtê kubantu bonke, bambambâ abenzeleleli naba-profeti nabantu bonke, bati, Inene, uya kufa.
9 Yinina ukuba uprofete ngegama lika-Yehova, usití, Lendlu iya kuba njenge-Shilo, lomzi ube linxuwa, ungabi nabemi? Babizelwa ndawo-nye bonke abantu ku-Yeremiya endlwini ka-Yehova.

10 Baweva abatêtêli bakwa-Yuda lama-zwi, benyuka bemka endlwini yokumka-ni, baya endlwini ka-Yehova, bahlala pân-tsi ekungeneni kwesango elitsha lika-Ye-hova.
11 Abenzeleleli naba-profeti batêtâ ku-batêtêli nakubantu bonke, besitî, Lendoda ifanelwe sigwebo sokufa; ngokuba ipro-fete ngalomzi, njengoko nikuvileyo nge-ndlebe zenu.
12 Watêtâ u-Yeremiya kubatêtêli bonke nakubantu bonke, esitî, U-Yehova undi-tûme ukuba ndiprofete ngalendlu nangalo-mzi onke amazwi eniwevileyo.
13 Kaloku-ke lungisani indlela zenu ne-ntlondi zenu, nilipûlapûle izwi lika-Yeho-va u-Tíxo wenu: wozohlwaya u-Yehova ngenxa yobubi abutêtîleyo ngani.
14 Ke mna, yabonani, ndisesandleni se-nu; yenzani kum njengoko kulungileyo, kutê-tye emehlweni enu.
15 Kodwa yazini oku, ukuba nitê nandi-bulala: inene, nobeka igazi elimsulwa pêzu kwenu, napêzu kwalomzi, napêzu kwabemi bawo; ngokuba inyaniso u-Ye-hova unditûmele kuni, ukuba ndiwatêtê lamazwi onke ezindlebeni zenu.
16 Batí-ke abatêtêli nabantu bonke ku-benzeleleli nakuba-profeti, Lendoda ayifa-nelwe sigwebo sokufa; ngokuba itêtê kutí ngegama lika-Yehova u-Tíxo wetû.
17 Kwesuka kwema amadoda kumado-da amakûlu elozwe, atêtâ kulo lonke iba-ndla labantu, atí;
18 U-Mika wase-Moreshete waprofeta ngemihla ka-Hezekiya ukumkani wakwa-Yuda, watêtâ kubantu bonke bakwa-Yu-da, esitî, Utsho u-Yehova wemikôsi uku-tí, I-Tsiyon iya kulinywa ibe yintsimi, ne-Yerusalem ibe yimiwewe, nentaba ye-ndlu le ibe yimimango enehlatí.
19 Bambulala-na-ke u-Hezekiya uku-mkani wakwa-Yuda nama-Yuda onke? Akoyikanga u-Yehova-na, wambongoza u-Yehova, waza u-Yehova wazohlwaya ngenxa yobubi, abebutêtîle ngabo? Tína-ke senze ububi obukûlu kwimipêfumlo yetû-na?
20 Kwaye kananjalo kuprofeta ngegama lika-Yehova indoda engu-Uriya unyana ka-Shemaya, wase-Kiriyati-yeharim; wa-profeta ngalomzi, nangelilizwe ngokwa-mazwi onke ka-Yeremiya.
21 Waweva-ke ukumkani u-Yoyakim namagoña akê onke, nabatêtêli bonke a-mazwi akê, ukumkani wafuna ukumbula-la. Weva u-Uriya, woyika, wasaba wa-ya e-Yiputa.
22 Ukumkani u-Yoyakim watûmela a-madoda e-Yiputa: u-Elinatan unyana ka-Akebore, enamadoda atîle, baye e-Yipu-ta,
23 Bamfola u-Uriya e-Yiputa, bamzisa kukumkani u-Yoyakim; wambulala nge-ñele, wasipôsa isidûmbû sakê emancẃa-beni oluntu,
24 Kodwa isandla sika-Ahikam unyana ka-Shafan besino-Yeremiya, ukuba anga-nikelwa esandleni sabantu ukuba abula-we.

27 Ekuqalekeni kobukumkani buka-Tsedekiya unyana ka-Yosiya, u-kumkani wakwa-Yuda, kwafika elilizwi ku-Yeremiya, lipûma ku-Yehova, lisitî.
2 Utshilo u-Yehova kum ukutí, Zenze-le izi-tropu ne-dyokẃe, uzifake entanye-ni yakô,
3 Uzitûmele kukumkani wakwa-Edom, nakukumkani wakwa-Mowabi, nakuku-mkani wonyana baka-Amon, nakukumka-ni wase-Tire, nakukumkani wase-Tsidon, ngesandla sabatûnywa abeze e-Yerusa-lem ku-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yu-da;
4 Ubawisele umtêtô wokuba batí ezi-

Digitized by Google

nkosini zabo, Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yitshoni ezinkosini zenu, ukutî,

5 Mna ndiwenzile umhlaba, umntu lo, nenkomo ezipêzu komhlaba, ngamandla am amakûlu, nangengalo yam eyolukileyo; ndawunika lowo kutê-tye emehlweni am ukuba ndiwunike yena.

6 Kaloku-ke mna ndiwanikele onke lamazwe esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, umkônzi wam, kwa namafamncwa asendle ndiwanikele kuye ukuba amkônze;

7 Zimkônze zonke intlanga yena, nonyana wakê, nonyana wonyana wakê, kude kufike ixesha lelakê ilizwe, zimkônzise-ke naye intlanga ezininzi, nokumkani abakûlu.

8 Kutî, uhlanga nobukumkani obungayi kumkônza u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, obungayifakiyo intamo yabo e-dyokŵeni yokumkani wase-Babeli, ndiluvelele olohlanga ngeŕele, nangendlala, nangendyikitya yokufa, utsho u-Yehova, ndide ndibagqibe ngesandla sakê.

9 Musani-ke nina ukubapûlapûla abaprofeti benu, nabavumisi benu, namapûpâ enu, namatola enu, nabakâfuli benu; bona abo batî kuni, Aniyi kumkônza ukumkani wase-Babeli.

10 Ngokuba beniprofetela ubuxoki, ukuze ndinikŵelelise kude nomhlaba wenu, ndinigxotê, nitshabalale.

11 Ke lona uhlanga oluya kuyingenisa intamo yalo e-dyokŵeni yokumkani wase-Babeli, lumkônze: ndoluyeka emhlabeni walo, luwusebenze luhlale kuwo, utsho u-Yehova.

12 Naku-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda ndatêtâ ngokwalomazwi onke, ndatî, Zingeniseni intamo zenu e-dyokŵeni yokumkani wase-Babeli, nikônze yena nabantu bakê, nipîle.

13 Yinina ukuba ufe wena nabantu bakô ngeŕele, ngendlala, nangendyikitya yokufa njengoko akutêtileyo u-Yehova ngohlanga olungayi kumkônza ukumkani wase-Babeli?

14 Musan' ukuwapûlapûla amazwi abaprofeti abatêtâ kuni, besitî, Anikumkônza ukumkani wase-Babeli; ngokuba beniprofetela ubuxoki.

15 Ngokuba andibatûmanga, utsho u-Yehova; bona baprofeta ubuxoki ngegama lam, ukuze ndinigxotê, nitshabalale nina naba-profeti abo baniprofetelayo.

16 Ndatêtâ kubenzeleleli nakwababantu bonke, ndisitî, Utshilo u-Yehova ukutî, Musan' ukuwapûlapûla amazwi aba-profeti benu abaniprofetelayo, besitî, Yabona, impahla yendlu ka-Yehova iya kubehle ibuyiswe e-Babeli; ngokuba beniprofetela ubuxoki.

17 Musan' ukubapûlapûla; mkônzeni ukumkani wase-Babeli, nipîle; yinina ukuba ube linxuwa lomzi?

18 Ke ukuba bangaba-profeti, ke ukuba likô ilizwi lika-Yehova kubo, mabambongoze u-Yehova wemikôsi, ukuze impahla eseleyo endlwini ka-Yehova, nasendlwini yokumkani wakwa-Yuda, nase-Yerusalem, ingayi e-Babeli.

19 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi ngokusingisele kuzo intsika nangalo ulwandle, nangazo inqwelana, nangawo amasalela empahla eseleyo kulomzi,

20 Engatâtyatŵanga ngu-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ekumfuduseni kwakê u-Yekoniya, unyana ka-Yoyakim, ukumkani wakwa-Yuda, e-Yerusalem, ukumsa e-Babeli, enabanumzana bonke bakwa-Yuda ne-Yerusalem;

21 Ewe, utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo wama-Sirayeli, ngempahla eseleyo endlwini ka-Yehova, nasendlwini yokumkani wakwa-Yuda, nase-Yerusalem, ukutî,

22 Iya kusiwa e-Babeli ibe kôna, ide ibe yimini yokuyivelela kwam, utsho u-Yehova, ndiyinyuse, ndiyibuyisele kulendawo.

28 Kekaloku kwatî ngalonyaka, ekuqalekeni kobukumkani buka-Tsedekiya, ukumkani wakwa-Yuda, ngomnyaka wesine, ngenyanga yesihlanu, watêtâ kum u-Hananiya unyana ka-Azure, um-profeti wase-Gibeyon, endlwini ka-Yehova, emehlweni abenzeleleli nabantu bonke, esitî,

2 Utshilo u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ndiyayapûla i-dyokŵe yokumkani wase-Babeli.

3 Kwa ngaleminyaka mibini izalisekileyo ndiyibuyisela kulendawo yonke impahla yendlu ka-Yehova, awayitâbatâyo kulondawo u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, wayisa e-Babeli;

Digitized by Google

4 Ndibabuyisele kulendawo o-Yekoniya unyana ka-Yoyakim, ukumkani wakwa-Yuda, nabafudisiweyo bonke bakwa-Yuda, abaye e-Babeli, utsho u-Yehova; ngokuba ndiya kuyapûla i-dyokwe yokumkani wase-Babeli.

5 Watî u-Yeremiya um-profeti ku-Hananiya um-profeti emehlweni abenzeleleli, nasemehlweni abantu bonke abemiyo endlwini ka-Yehova,

6 Watî u-Yeremiya um-profeti, Amen, makenje njalo u-Yehova. Makawamise u-Yehova amazwi akô owaprofetele ukuba ayibuyise impahla yendlu ka-Yehova, nabafudusiweyo bonke e-Babeli, beze kulendawo.

7 Kâuve elilizwi ndilitêtâyo ezindlebeni zakô, nasezindlebeni zabantu bonke,

8 Aba-profeti ababe ngapâmbîli kum nangapâmbîli kwakô kwasepâkadeni, baprofeta imfazwe, nobubi, nendyikitya yokufa, besingisele kumazwe amaninzi nangezikumkani ezikûlu;

9 Um-profeti lowo uprofeta uxolo, uya kwaziwa ukuba ungum-profeti otûnyiweyo ngu-Yehova okunene, ekwenzekeni kwelozwi lom-profeti lowo.

10 Kekaloku u-Hananiya um-profeti wayitâbatâ i-dyokwe entanyeni ka-Yeremiya um-profeti, wayapûla.

11 Watêtâ u-Hananiya emehlweni abantu bonke, esitî, Utsho u-Yehova ukutî, Ndiya kwenje nje ukuyapûla i-dyokwe ka-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ngaleminyaka mibini iza kuzaliseka, ezintanyeni zentlanga zonke. Wemka-ke u-Yeremiya um-profeti, wahambâ indlela yakê.

12 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya emva kokuyapûla kuka-Hananiya um-profeti i-dyokwe entanyeni ka-Yeremiya um-profeti, lisitî,

13 Yiya utêtê ku-Hananiya, utî, Utsho u-Yehova ukutî, Uzapûle i-dyokwe zomtî, ke wenze i-dyokwe zesinyiti esikûndleni sazo.

14 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Ndibeke i-dyokwe yesinyiti ezintanyeni zezontlanga zonke, ukuze zimkônze u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli; ziya kumkônzake; kwa namafanincwa asendle ndiwanikele kuye.

15 Watî u-Yeremiya um-profeti ku-Hananiya umprofeti, Kâuve, Hananiya; u-Yehova akakutûmanga; wena ababantu ubakôlosisa ngobuxoki.

16 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndiya kukugxotâ ebusweni bomhlaba; uya kufa nonyaka-nje, ngokuba utêtê elokutyeka ku-Yehova.

17 Wafa-ke u-Hananiya um-profeti ngalonyaka, ngenyanga yesixênxe.

29 Ngawo la amazwi encwadi, awayitûmelayo u-Yeremiya um-profeti, ese-Yerusalem, kumasalela amadoda amakûlu afudusiweyo, nakubenzeleleli, nakuba-profeti, nakubantu bonke, awaye bafudusile e-Yerusalem u-Nebukadenetsare, wabasa e-Babeli;

2 (Emva kokupûma kuka-Yekoniya ukumkani, nenkosikazi, namagosa nabatêteli bakwa-Yuda ne-Yerusalem, nencibi, nabakândi e-Yerusalem;)

3 *Awayitûmelayo* ngesandla sika-Elasa unyana ka-Shafan, no-Gemariya unyana ka-Hilekiya, (awabatûmelayo u-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda ku-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli e-Babeli,) isitî,

4 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, kwabafudusiweyo bonke, endibafuduse e-Yerusalem, ukuba basiwe e-Babeli, ukutî,

5 Yakâni izindlu, nihlale kuzo; tyalani imiyezo, nidle iziqâmo zayo;

6 Zekani abafazi, nizale onyana nentombî, nibazekele abafazi onyana benu, intombî zenu nizendisele kumadoda, zizale onyana nentombî, nande kôna, ninganciphi;

7 Nizamele uxolo lomzi, endinifudusele kuwo, niwutândazele ku-Yehova; ngokuba niya kuba noxolo ngoxolo lwawo.

8 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Mabangamlukuhli aba-profeti benu ababâkatî kwenu, kwa nabavumisi benu, ningawapûlapûli amapûpâ enu eniwapûpâyo;

9 Ngokuba beniprofetela ubuxoki ngegama lam; andibatûmanga, utsho u-Yehova.

10 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Xenikweni i-Babeli izaliselwe iminyaka emashumi asixênxe, ndiya kunivelela, ndilimise kuni ilizwi lam elilungileyo lokunibuyisela kulendawo.

11 Ngokuba ndiyazazi ingcinga endizicingayo ngani, utsho u-Yehova, ingcinga

Digitized by Google

zoxolo, ezinge zizo ezobubi, ukuba ndinike ikamva netêmbâ;
12 Nindinqule, nize nitândaze kum, ndinipûlapûle;
13 Nindifune, nindifumane; xa nitê nandifuna ngentliziyo yenu yonke;
14 Ndifumaneke kuni, utsho u-Yehova, ndikubuyise ukutînjwa kwenu, ndinibutê ezintlangeni zonke, nasezindaweni zonke endanigxotêla kuzo, utsho u-Yehova; ndinibuyisele endaweni endanifudusa kuyo,
15 Xa nitî, U-Yehova usivelisele abaprofeti e-Babeli.
16 Inene, utsho u-Yehova ngokusingisele kukumkani ohleli e-troneni ka-Davide, nakubantu bonke abahleli kulomzi, abazalwana benu, abangapûmanga baye nani ekufudusweni;
17 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Yabonani, nditûma pâkatî kwabo ifele nendlala, nendyikitya yokufa, ndibenze babe njengamakîwane afuqulayo, ange nakudliwa ngokuba mabi kwabo;
18 Ndibasukele ngefele nangendlala nangendyikitya yokufa, ndibanikele ukuba babe yinto yokunqakulisa kwizikumkani zonke zomhlaba, babe yintshwabulo, nommangaliso, nomsondlo, nesingcikivo, ezintlangeni zonke endabagxotêla kuzo;
19 Ngetûba lokuba bengawapûlapûlanga amazwi am, utsho u-Yehova, endawatûmela kuni ngezicaka zam aba-profeti, ndibatûma ndivuka kusasa; anivanga noko, utsho u-Yehova.
20 Liveni-ke ilizwi lika-Yehova, nina bonke bafudusiweyo, ndabasusayo e-Yerusalem, baya e-Babeli.

21 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ngokusingisele ku-Ahabi unyana ka-Kolaya, naku-Tsedekiya unyana ka-Mahaseya, abaniprofetela ubuxoki ngegama lam, ukutî, Yabonani, ndibanikela esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ababulale emehlweni enu;
22 Kuzekelwe kubo ukutshatisa ngabafudusiweyo bonke bakwa-Yuda abase-Babeli, kutîwe, U-Yehova makakwenze ube njengo-Tsedekiya, nanjengo-Ahabi, awabacânabayo emlilweni ukumkani wase-Babeli;
23 Ngenxa yokuba benze ubudenge kwa-Sirayeli, babafexeza abafazi babamelwane babo, batêtâ amazwi obuxoki ngegama lam, endingabawiselanga mtêtô ngawo. Ndiyazi mna, ndilinqîna, utsho u-Yehova.

24 Ngokusingisele ku-Shemaya wase-Nehelam wotêtâ, utî,
25 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ngenx' enokuba wena utûmele incwadi ngegama lakô kubantu bonke abase-Yerusalem, naku-Tsefaniya unyana ka-Mahaseya, umenzeleleli, nakubenzeleleli bonke, usitî,
26 U-Yehova ukwenze umenzeleleli esikûndleni sika-Yoyada umenzeleleli, ukuze kubekô abaveleli endlwini ka-Yehova ngenxa kabani wonke obûdayo, ozenza umprofeti, ukuba umfake e-stokisini nasentanjeni.
27 Yinina ngoku, ukuba ungamkâlimeli u-Yeremiya wase-Anatoti, ozenza um-profeti kuni?
28 Ngokuba ngenxa yoko utûmele kutî e-Babeli, esitî, Inde lento; yakâni izindlu, nihlale *kuzo;* tyalani imiyezo, nidle iziqâmo zayo.
29 U-Tsefaniya umenzeleleli wayilesa loncwadi ezindlebenî zika-Yeremiya umprofeti.
30 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, lisitî,
31 Tûmela kubo bonke abafudusiweyo, utî, Utsho u-Yehova ngokusingisele ku-Shemaya wase-Nehelam, ukutî, Ngenx' enokuba u-Shemaya eniprofetele, ndingamtûmanga mna, wanikôlosisa ngobuxoki:
32 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Yabonani, ndiyamvelela u-Shemaya wase-Nehelam nembêwu yakê; akayi kuba namntu uhleliyo pâkatî kwababantu; angayi kubona okulungileyo endikwenzela abantu bam, utsho u-Yehova; ngokuba etêtê elokutyeka ku-Yehova.

30 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, lalisitî, Utsho u-Yehova, u-Tîxo wakwa-Sirayeli, ukutî,
2 Wabâle onke amazwi, endiwatêtîleyo kuwe, encwadini;
3 Ngokuba uyabona, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kukubuyisa ukutînjwa kwabantu bam ama-Sirayeli nama-Yuda, utsho u-Yehova, ndibabuyisele ezweni endalinika oyise, ukuba balime.

4 Ngawo la-ke amazwi, awawatêtâyo u-

Digitized by Google

Yehova ngokusingisele kuma-Sirayeli, nakuma-Yuda.

5 Utshilo-ke u-Yehova ukutí, Sive izwi eligubísayo, lelinkwantyisayo, asililo eloxolo.

6 Kânibuzise nikângele, ukuba indoda yakâ yamitâ-na? Yinina ukuba ndibone abafo bonke, izandla zabo zisemanqeni abo njengomfazi ozalayo, ubuso bonke busuke balutútú?

7 Atí-ke ukuba mkúlu lomhla, akukô unjengawo; lixesha lembândezelo ku-Yakobi; ke uya kusindiswa kuyo.

8 Kotí-ke ngalomhla, utsho u-Yehova wemikôsi, ndiyapûle i-dyokwe yakê entanyeni yakô, ndiziqâule izi-tropu zakô, bangabi samkônzisa abasemzini;

9 Bakônze u-Yehova u-Tíxo wabo, no-Davide ukumkani wabo, endiya kubavelisela yena.

10 Ke wena mus' ukoyika, sicaka sam Yakobi utsho u-Yehova, ungaqípuk' umbilini, Sirayeli; ngokuba uyabona, ndiya kukusindisa usekude, nembéwu yakô ezweni etínjelwe kulo, abuye u-Yakobi, azole onwabe angagubí.

11 Ngokuba ndinawe, utsho u-Yehova, ukuze ndikusindise; ngokuba ndiya kuzigqibela kupêle intlanga zonke endakupângalalisela kuzo; kodwa andiyi kukugqibela kupêle; ndokutétísa ngokusesikweni, ndingatí umsulwa kwakanye.

12 Ngokuba utsho u-Yehova ukutí, Ukwapûka kwakô asikukô nokuba kuyabulala, libuhlungu inxeba lakô.

13 Akukô ugweba ityala lakô, upôlisa inxeba, akunaye okubopâyo.

14 Zonke izitândane zakô zikulibele; azikukâtâlele; ngokuba ndikubetíle ngobetô lotshaba, ngentetíso enobujofa, ngenxa yobuninzi bobugwenxa bakô, ngenxa yokuba zininzi izono zakô.

15 Ukâlela-nina ngenxa yokwapûka kwakô? asikukô nokuba iyabulala intlungu yakô! Ndizenzile ezonto kuwe ngenxa yobuninzi bobugwenxa bakô, nangenxa yokuba zininzi izono zakô.

16 Ngako oko bonke abakubûbísayo baya kubûyiswa, nababandezeli bako bonke bepêla baya kutínjwa, nabadywidi bakô badywidwe, nabapângi bako bonke ndibanikele ekupângweni.

17 Ngokuba ndiya kukubopâ, ndiyipôlise imivumbô yakô, utsho u-Yehova; ngokuba batí ungugxotíwe, uyi-Tsiyon engakâtâlelwe bani.

18 Utsho u-Yehova ukutí, Yabona ndiya kubuyisa ukutínjwa kwen-tente zika-Yakobi, ndibe nemfesane ngenxa yeminquba yakê; umzi wakêlwe emmangweni wawo, luhlalwe uxande olude ngokwesiko lwalo;

19 Upûme kuzo umbulelo nezwi labaqambâyo; ndibandise, bangabi mbalwa, ndibazukise, bangancipi;

20 Onyana babo babe njengokwamandulo, lizimaseke pâmbí kwam ibandla labo, ndibavelele bonke abaxini babo;

21 Ingangamsha yabo ivele kubo, umlauli wabo apûme kwapâkatí kwabo; ndimsondeze, afike kum; ngokuba ngubanina omele intliziyo yakê, ukuba afike kum? utsho u-Yehova;

22 Nibe ngabantu bam, mna ndibe ngu-Tixo wenu.

23 Nango umoya ka-Yehova ovutûzayo; nabo bupûma ubushushu; umoya ovutûzayo okûkulisayo uya kuqwítêla entloko yabangendawo.

24 Akuyi kubuya ukuvutâ komsindo ka-Yehova, ade ayenze, ade ayimise iminqangiyelo yentliziyo yakê; ekupêleni kwemihla niya kukuqonda oko.

31 Ngeloxesha, utsho u-Yehova, ndiya kuba ngu-Tíxo kwimizalwane yonke yakwa-Sirayeli, yona ibe ngabantu bam.

2 Utsho u-Yehova ukutí, Bababalwa entlango abantu abasindileyo ereleni; ndoya ndiwapûmze ama-Sirayeli.

3 U-Yehova ubonakele kum kwakude, watí, Ndikutândile ngotândo olungunapâkade; ngenxa yoko ndikolulele inceba.

4 Ndiya kubuya ndikwakê, wakêke, ntombí engu-Sirayeli; uya kubuya uzihombíse *upâtê* ingqongqo zakô, upûme uye ekungqungqeni kwabangqungqayo.

5 Uya kubuya utyale izi-diliya ezintabeni zakwa-Samari; batyale abatyali, bazidle ngokwabo.

6 Ngokuba kuya kubakô umhla, abaya kumemeza ngawo abalindi ezintabeni zakwa-Efrayim, besití, Suk'umani, sinyuke siye e-Tsiyon ku-Yehova u-Tíxo wetú.

7 Ngokuba utsho u-Yehova, ukutí Memelelani ngo-Yakobi, nivuye nitsholoze ngentloko yentlanga; vakalisani, dumisani, yitíni, Basindise, Yehova, abantu bakô, amasalela akwa-Sirayeli.

Digitized by Google

8 Yabona, ndiyabazisa bevela ezweni lase-Ntla, ndibabutê esinqeni somhlaba; benemfama neziqwala, abamitîyo nabazalayo kunye; besisikûngu esikûlu bebuyela apâ.

9 Baya kuza belila, ndibakôkele betafuzisa; ndibase emilanjeni yamanzi ngendlela etê-tye, bengakûbeki kuyo; kuba ndinguyise ku-Sirayeli, u-Efrayim ngowamazibulo am.

10 Liveni ilizwi lika-Yehova, zintlanga, nilixele eziqitini ezikude, nitî, Umcîtâcîtî ka-Sirayeli uya kumbutâ, amgcine njengomalûsi egcina umhlambî wakê.

11 Ngokuba u-Yehova ummisele wamkûlula u-Yakobi, umhlaulele wamkûlula esandleni sowomeleleyo kunaye.

12 Baya kuza bamemelele ezindulini zase-Tsiyon, basinge kwizinto ezilungileyo zika-Yehova, enqôloweni, nase-wayinini entsha, nase-olini, nasemgqekwini wegusha nenkomo; imipêfumlo yabo ibe njengomyezo onyelwa ngamanzi uvunde; bangabi sapînda betê amandla.

13 Yandule intombî ivuye ekungqungqeni, namadodana namadoda amakûlu kunye; ndisenze isijwili sabo sibe yimihlali, ndibatûtûzele ndibavuyise, bangabi nasinqâla;

14 Ndiwuseze uhlute umpêfumlo wabenzeleleli ngamafutâ, bahlute zinto zam ezilungileyo abantu bam, utsho u-Yehova.

15 Utsho u-Yehova ukutî, Kuvakele izwi e-Rama, isimema, isililo esiraŕa. U-Raheli elilela abantwana bakê, engavumi ukutûtûzeleka ngenxa yabantwana bakê, ngokuba bengasekô.

16 Utsho u-Yehova ukutî, Litîntele ilizwi lakô, lingalili, namehlo akô angabi nanyembêzi; ngokuba unomvuzo umsebenzi wakô, utsho u-Yehova; baya kubuya ezweni lotshaba.

17 Linetêmbâ ikamva lakô, utsho u-Yehova; onyana bakô baya kubuyela emdeni wabo.

18 Ndimvile ngenene u-Efrayim ehlunguzela intloko, esitî, Undiqeqeshile ndaqeqesheka njengetôle elingekatâmbî; ndibuyise, ndibuye; ngokuba wena, Yehova, ungu-Tîxo wam.

19 Ngokuba emva kokutshikilela kwam ndazohlwaya, emva kokwaziswa kwam ndabetâ etângeni lam; ndidanile, ndisiva ihlazo, ngokuba nditŵele isingcikivo sobuncinane bam.

20 Ngunyana onqabileyo-na kum u-Efrayim? ngumntwana wokuteketiswa-na? lento nditî ndakutêtâ ngaye ndimcâsile ndisuke ndimkumbûle ngakumbî? ngenxa yoko izibilini zam ziyasika ngaye; inene ndiya kuba nemfesane kuye, utsho u-Yehova.

21 Zimiseleni izalatiso, zigxumekeleni izibonda; yibêkise intliziyo yakô emendweni, endleleni owahambâ ngayo. Buya, ntombî engu-Sirayeli, buyela emizini yakôwenu.

22 Kuninina unxaxânxaxa, ntombî epambâyo? ngokuba u-Yehova udala into entsha emhlabeni: inkazana iya kupâhla indoda.

23 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Basaya kulitêtâ elilizwi ezweni lakwa-Yuda nasemizini yakôna, ekukubuyiseni kwam ukutînjwa kwabo, lokutî, U-Yehova makakusikelele, kâya lobulungisa, ntaba yobungcwele.

24 Aya kuma kôna ama-Yuda nemizi yawo yonke kunye; abalimi, nabahambâ ematânga benemihlambî yabo.

25 Ngokuba ndiyawuseza uhlute umpêfumlo otŷafileyo, ndowanelisa umpêfumlo wonke otê amandla.

26 Kwakuba njalo, ndavuka, ndakângela, ubutôngo bam bebumnandi kum.

27 Yabona, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kuyihlwayela indlu ka-Sirayeli nendlu ka-Yuda ngembêwu yomntu nangembêwu yenkomo;

28 Kutî njengoko ndabapâpêlayo ukuba ndinyotûle, ukuba ndidilize, ukuba ndigungxule, ukuba nditshabalalise, ukuba ndenze kube kubi: ngokunjalo ndibapâpêle ukuba ndakê, ukuba ndityale, utsho u-Yehova.

29 Ngalomihla abasayi kuba satî, Oyise badle i-diliya ezimuncu, amazinyo onyana aba butêlezi;

30 Ke elowo uya kufa ngenxa yobakê ubugwenxa; umntu wonke odla i-diliya ezimuncu, nguye omazinyo aya kuba butêlezi.

31 Yabona, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kwenza umnqopîso omtsha nendlu ka-Sirayeli nendlu ka-Yuda;

Digitized by Google

32 Ungabi njengomnqopiso, endawenza noyise ngomhla endababambâyo ngesandla, ukuba ndibakûpê ezweni le-Yiputa; umnqopiso wam abasuka bawapûla bona, nangani bendiyindoda yabo, utsho u-Yehova.

33 Nguwo-ko lo umnqopiso, endiya kuwenza nendlu ka-Sirayeli emva kwalomihla, utsho u-Yehova; ndiya kuwubeka umyalelo wam embilinini yabo, ndiwubâle ezintliziyweni zabo, ndibe ngu-Tixo wabo, babe ngabantu bam;

34 Bangabi safundisa elowo uwabo, elowo umzalwana wakê, besiti, Mazini u-Yehova; ngokuba bonke bepêla baya kundazi, kutâbatêla kwabancinane kuse kwabakûlu, utsho u-Yehova; ngokuba ndiya kuxolela ubugwenxa babo, ndingabi sasikûmbûla isono sabo.

35 Utsho u-Yehova, umniki welanga, ukuba libe sikânyiso emini, umniki wemimiselo yenyanga nenkwenkwezi, ukuba zibe sikânyiso ebusuku, umlatyuzisi wolwandle, ukuba agqume amaza alo; ugama lakê lingu-Yehova wemikósi;

36 Ukuti, Ukuba itê yasuka lomimiselo pâmbi kwam, utsho u-Yehova, yopêla nayo-ke imbêwu ka-Sirayeli, ingabi luhlanga pâmbi kwam ngamaxa onke.

37 Utsho u-Yehova ukuti, Ukuba lingaba nokulinganiswa izulu pêzulu, zibe nokugocagocwa iziseko zomhlaba pântsi, nam-ke ndoba ndiya kuyicekisa yonke imbêwu ka-Sirayeli, ngenxa yento yonke abayenzileyo, utsho u-Yehova.

38 Yabona, kuza imihla, utsho u-Yehova, oya kuti umzi lowo wakêlwe u-Yehova, kutâbatêle enqabeni ende ka-Hananeli, kuse esangweni lembômbô;

39 Lubuye lupûme ulutya lokulinganisela lutê-gca pêzu kwenduli ka-Garebe, lujikele e-Goha.

40 Yonke intili yezidûmbû nayotûtâ, namasimi onke asa esihlanjeni se-Kidron, asa embômbêni yesango lamahashe ngasempumalanga, ibe ngcwele ku-Yehova, ingabi sanyotûlwa, ingabi sagungxulwa napâkade.

32 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, ngonyaka weshumi ka-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, lonyaka-ke ngunyaka weshumi elinesibôzo ka-Nebukadenetsare.

2 Oko impi yokumkani wase-Babeli ibiyingqingile i-Yerusalem, u-Yeremiya um-profeti evalelwe entendelezweni yentolongo, yendlu yokumkani wakwa-Yuda;

3 Kuba abevalelwe kuyo ngu-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, esiti, Yinina ukuba ukuprofeta kwakô uti, Utsho u-Yehova ukuti, Yabona, ndiyawunikela lomzi esandleni sokumkani wase-Babeli, ukuba awutîmbê;

4 Angasindi esandleni sama-Kaledi u-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda; uya kunikelwa okunene esandleni sokumkani wase-Babeli; umlomo wakê utêtê nomlomo wakê, amehlo akê abone amehlo akê;

5 Amse u-Tsedekiya e-Babeli, abe kôna ndide ndimvelele, utsho u-Yehova; xa nitê nalwa nama-Kaledi, aniyi kuba nampumelelo.

6 Wati u-Yeremiya, Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

7 Yabona, u-Hanameli unyana ka-Shalum, uyihlokazi, uza kuwe, esiti, Yitênge intsimi yam ese-Anatoti; ngokuba kulunge nawe ukuyitênga uyikûlule ngentlawulelo.

8 Weza-ke kum entendelezweni yentolongo u-Hanameli unyana kabawokazi ngokwelizwi lika-Yehova, wati kum, Kâuyitênge intsimi yam ese-Anatoti, esezweni lakwa-Benyamin; ngokuba lilunge nawe ilifa, kokwako ukukûlula ngokumisela, zitêngele. Ndazi-ke ukuba lilizwi lika-Yehova elo.

9 Ndayitêngo-ke intsimi ku-Hanameli unyana kabawokazi, ese-Anatoti, ndamlinganisela imali-leyo, i-shekele ezilishumi ze-silvere ezine-shekele ezisixênxe.

10 Ndakubâla-ke encwadini, ndayitywina, ndanqinisa amanqina, ndayilinganisela imali nge-skali,

11 Ndayitâbatâ-ke incwadi yentengoleyo ityiniweyo inomtêtô nemimiselo, naleyo ivulekileyo,

12 Ndayinikela incwadi yentengo ku-Baruki unyana ka-Neriya, unyana ka-Maseya, emehlweni ka-Hanameli okabawokazi, nasemehlweni amanqina lawo abâlileyo encwadini yentengo, nasemehlweni ama-Yuda onke abehleli entendelezweni yentolongo.

13 Ndamwisela u-Baruki umtêtô emehlweni abo, ndisiti,

14 Utsho u-Yehova wemikósi, u-Tixo

Digitized by Google

ka-Sirayeli, ukutî, Tâbatâ ezincwadi, incwadi yentengo-le itywiniweyo, nencwadi-le ivulekileyo, uzibeke esityeni somdongwe, ukuze zihlale imihla emininzi.

15 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Kuya kubuya kutêngwe izindlu namasimi nezi-diliya kwelilizwe.

16 Ndatândaza ku-Yehova emveni kokuyinikela kwam incwadi yentengo ku-Baruki unyana ka-Neriya, ndatî,

17 Awu, Nkosi yam Yehova, yabona, walenza izulu nomhlaba ngamandla akô amakûlu, nangengalo yakô eyolukileyo; akukô nto ikunqabeleyo.

18 Unguwenza inceba kumawaka, upîndezela ubugwenxa boyise esondweni lonyana babo emva kwabo; ulo-Tîxo mkûlu, uligoŕa, ugama lakê lingu-Yehova wemikôsi.

19 Ucebo likûlu, uzenzo zincamisileyo ngamandla, umehlo avulekileyo pêzu kwendlela zonke zonyana baka-Adam, ukuba umnike ulowo ngokwendlela zakê, nangokweziqâmo zezenzo zakê;

20 Wamisayo imiqondiso nezimanga ezweni le-Yiputa, unanamhla, nakuma-Sirayeli nakwabanye abantu, wazenzela igama, njengoko kunjalo namhla.

21 Wabakûpâ abantu bakô ama-Sirayeli ezweni le-Yiputa ngemiqondiso, nangezimanga, nangesandla esitê-nqi, nangengalo eyolukileyo, nangoloyikiso olukûlu.

22 Wabanika elilizwe, wabafungela oyise, ukuba ubanike ilizwe elinamasi nobusi;

23 Beza-ke balihlala; kodwa abalipûlapûla izwi lakô, abahambânga ngomyalelo wakô; konke owabawiselayo umtêtô ngako ukuba bakwenze, abakwenza; wabahlisela-ke bonke obububi.

24 Yabona, indonga zokungqinga zifikile kulomzi, ukuba ziwutîmbê; umzi-ke unikelwe esandleni sama-Kaledi alwayo nawo ngeŕele, nendlala, nendyikitya yokufa; ilizwi owalitêtâyo lenzekile; nali ulibona.

25 Ke wena, Nkosi yam Yehova, utê kum, Zitêngele intsimi ngemali, unqînise amanqîna, wakubon'ukuba umzi-lo unikelwa esandleni sama-Kaledi.

26 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, lisiti,

27 Yabona, ndingu-Yehova, u-Tîxo wenyama yonke; kukô nto indinqabeleyona?

28 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndiyawunikela lomzi esandleni sama-Kaledi, nasesandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ukuba awutîmbê;

29 Eze ama-Kaledi alwayo nalomzi, awufake isikûni, awutshise nezindlu abeqûmisela ku-Bahali pêzu kopâhla lwazo, batûlulela tîxweni bambî iminikelo etûlulwayo, ukuze bandiqumbîse.

30 Ngokuba onyana baka-Sirayeli nonyana baka-Yuda baye besenza ububi bodwa emehlweni am kwasebuncinaneni babo; ngokuba onyana baka-Sirayeli ngabaqumbîsi bodwa kum ngezenzo zezandla zabo, utsho u-Yehova.

31 Ngokuba lomzi waba sisulu somsindo wam nobushushu bam, kususela kwimini owakîwa ngayo kude kube yilemini, ukuze ndiwususe ebusweni bam.

32 Ngenxa yobubi bonke bonyana baka-Sirayeli nonyana baka-Yuda, ababenzileyo ukuba bandiqumbîse, bona, nokumkani babo, nabatêtêli babo, nabenzelelili babo, naba-profeti babo, namadoda akwa-Yuda, nabemi base-Yerusalem.

33 Bandinikela ikôsi, abandinikeli ubuso; bafundiswa, befundiswa kwakusasa, abapûlapûla ukuba bakuvume ukuqeqeshwa.

34 Babeka izinto zabo ezinezotê endlwini, ebizwa ngegama lam, ukuze bayenze inqambî;

35 Bamakêla u-Bahali izigânga ezisemfuleni wakwa-Ben-hinom, ukuze babacandisele u-Moleki onyana babo nentombî zabo, into endingabawiselanga mtêtô ngayo, engatânga-qatâ entliziyweni yam, ukuba bawenze lomasikizi, ukuze bawenze one ama-Yuda.

36 Kukaloku-ke ngako oko utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ngokusingisele kulomzi, enitî, Unikelwe esandleni sokumkani wase-Babeli ngeŕele, nangendlala, nangendyikitya yokufa, ukutî,

37 Yabona, ndiyababutâ emazweni onke, endabagxotêla kuwo ngomsindo wam, nangobushushu bam, nangobufalafume obukûlu; ndibabuyisela kulendawo, ndibahlalise bekôlosile;

Digitized by Google

38 Babe ngabantu bam, mna ndibe ngu-Tíxo wabo;
39 Ndibanike intliziyo enye nendlela enye, ukuze bandoyike imihla yonke, kulunge kubo nakonyana babo emva kwabo;
40 Ndibenzele umnqopíso ongunapâkade, ukuba ndingabuyi ekubalandeleni, ukuba ndibenzele okulungileyo, ndibeke ukundoyika entliziyweni yabo, ukuze bangandishiyi.
41 Ndibe nemihlali ngabo, ndibenzele okulungileyo, ndibatyale kwelilizwe ndinyanisile, ngentliziyo yam yonke nangompéfumlo wam wonke.
42 Ngokuba utsho u-Yehova ukutí, Njengoko ndabaziselayo ababantu bonke obububi bukûlu kangaka, ndiya kwenje njalo ukubazisela konke okulungileyo endikutêtâyo ngabo.
43 Kutêngwe amasimi kwelilizwe, nití, Kusenkangala, alinabantu nankomo, linikelwe esandleni sama-Kaledi.
44 Baya kutênga amasimi ngemali, bawabâle encwadini itywinwe, batâbatê amanqína ezweni lakwa-Benyamin, nangenxa zonke kwi-Yerusalem, nasemizini yakwa-Yuda, nasemizini yasezintabeni, nasemizini yasezitâbazini, nasemizini yelase-Zantsi; ngokuba ndiya kukubuyisa ukutínjwa kwabo, utsho u-Yehova.

33 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya okwesibini, esavalelwe entendelezweni yentolongo, lisití,
2 Utsho u-Yehova umenzi woku, u-Yehova umyili woku ukuba akuzimase, ugama lakê lingu-Yehova, ukutí,
3 Ndinqule, ndikupêndule, ndikuxelele izinto ezinkulu ezinqabileyo, ongazaziyo.
4 Ngokuba utsho u-Yehova, u-Tíxo ka-Sirayeli, ngazo izindlu zalomzi, nangezindlu zokumkani bakwa-Yuda ezidiliziweyo ngenxa yendonga zokungqinga nangenxa yeŕele;
5 Bakubon'ukuba baza kulwa nama-Kaledi, bazizalisa ngezidūmbū zabantu, endibabulalayo ngomsindo wam nangobushushu bam, ekungenxa yezinto zabo zonke ezimbí ukuba ndibusitêlise ubuso bam kulomzi, ukutí,
6 Yabona, ndiwubopâ ngezinto ezibotshwayo ezipílisayo, ndibapílise, ndibatyílele ukupûpûma koxolo nenyaniso,
7 Ndikubuyise ukutínjwa kuka-Yuda nokutínjwa kuka-Sirayeli, ndibakê njengokwasekuqaleni;
8 Ndibahlambûlule ebugwenxeni babo bonke, abŏne ngabo kum; ndibuxolele ubugwenxa babo bonke, abŏne ngabo kum, baŕeqa ngabo kum.
9 Lomzi ligama lemihlali kum, indumiso nesihombô kwintlanga zonke zomhlaba, eziya kukuva konke okulungileyo endikwenzayo kuwo, zinkwantye, zigungqe ngenxa yokulunga konke nangenxa yoxolo lonke, endiwenzela lona.
10 Utsho u-Yehova ukutí, Kuya kubuya kuviwe kulendawo, nitshoyo ukutí, Ilinxuwa, ayinabantu, ayinankomo, emizini yakwa-Yuda, nasezi-trateni zase-Yerusalem, ekusenkangala kuzo, ezinge nabantu, ezinge nabemi, ezinge nankomo,
11 Izwi lemihlali nezwi lemivuyo, izwi lomyeni nezwi lomtshakazi, izwi labatí, Bulelani ku-Yehova wemikôsi, ngokuba elungile u-Yehova, ngokuba ingunapâkade inceba yakê; abazisa imibulelo endlwini ka-Yehova; ngokuba ndiya kukubuyisa ukutínjwa kwelizwe, limiwe njengokwasekuqaleni, utshilo u-Yehova.
12 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutí, Kulendawo ilinxuwa, inge namntu inge nankomo, nasemizini yayo yonke kuya kubuya kubekô iŕiwa labalūsi ababutêla imihlambí yabo kulo.
13 Emizini yasezintabeni, nasemizini yasezitâbazini, nasemizini yelase-Zantsi, nasezweni lakwa-Benyamin, nangenxa zonke e-Yerusalem, nasemizini yakwa-Yuda, iya kubuya igqitê imihlambí pântsi kwezandla zoyibalayo, utsho u-Yehova.

14 Yabona, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kulimisa ilizwi elilungileyo, endalitêtâyo kwindlu ka-Sirayeli nakwindlu ka-Yuda.
15 Ngalomihla nangeloxesha ndiya kumhlumisela u-Davide i-Hlumelo lobulungisa; eliya kwenza ngokwesiko nobulungisa ezweni.
16 Ngalomihla lona liya kusindiswa elakwa-Yuda, ihlale ikôlosile i-Yerusalem, ukubizwa kwayo kutíwe, Ngu-Yehova ubulungisa betû.
17 Ngokuba esitsho u-Yehova ukutí, U-Davide akayi kunqunyukelwa ndoda yokuhlala e-troneni yendlu ka-Sirayeli;
18 Banganqunyukelwa ndoda abenzeleleli abangaba-Levi yokunyusa amadini a-

Digitized by Google

nyukayo ebusweni bam, iqûmisele ngeminikelo yokudla, yenze imibingelelo imihla yonke.

19 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, lisitî,

20 Utsho u-Yehova ukutî, Ukuba nitê nawapûla umnqopîso wam wemini, nomnqopîso wam wobusuku, ukuze kungabikô mini nabusuku ngexesha elililo:

21 Woba uya kwapûlwa nawo umnqopîso wam no-Davide isicaka sam, ukuba angabi nanyana ungukumkani e-troneni yakê; kwa naba-Levi abenzeleleli, abalungiselela mna.

22 Njengokuba unge nakubalwa umkôsi wezulu, inge nakulinganiselwa intlabati yolwandle, ndiya kwenje njalo ukuyandisa imbêwu yesicaka sam u-Davide, naba-Levi abalungiselela mna.

23 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, lisitî,

24 Akukuboni-na abakutêtâyo ababantu, besitî, Imizalwane yomibini, awayinyulayo u-Yehova, uyicekisile yona? babagibake abam abantu, ngokokude bangabi saba luhlanga pâmbî kwabo.

25 Utsho u-Yehova ukutî, Ukuba awumi umnqopîso wam wemini nowobusuku, ukuba imimiselo yezulu nomhlaba andiyimisanga:

26 Ndoba ndiya kuyicekisa nembêwu ka-Yakobi no-Davide isicaka sam; ukuba embêwini yakê ndingabi satâbatâ abayilaulayo imbêwu ka-Abraham no-Isake no-Yakobi; ngokuba ndiya kukubuyisa ukutînjwa kwabo, ndibe nemfesane kubo.

34 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, akubon'ukuba u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, enempi yakê yonke, nezikumkani zonke zelizwe eliselulaulweni lwesandla sakê, nezizwe zonke, uyalwa ne-Yerusalem nemizi yayo yonke, lalisitî,

2 Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yiya, utêtê ku-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, utî kuye, Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndiyawunikela lomzi esandleni sokumkani wase-Babeli, ukuba awutshise ngomlilo.

3 Ke wena akuyi kusinda esandleni sakê; inene uya kubanjwa, unikelwe esandleni sakê, amehlo akô awabone amehlo okumkani wase-Babeli, umlomo wakê utêtê nomlomo wakô, uye nawe e-Babeli.

4 Kodwa yiva ilizwi lika-Yehova, Tsedekiya kumkani wakwa-Yuda, utsho u-Yehova ngawe, ukutî, Akuyi kufa ngeŕele;

5 Uya kufa unoxolo; ngokutshiselwa koyihlo, okumkani bamandulo ababekô ngapâmbîli kwakô, baya kwenje njalo u-kukutshisela; bakumbâmbâzelele, besitî, Atî-ke mna! nkosi, ngokuba mna ndilitêtîle ilizwi, utsho u-Yehova.

6 Wawatêtâ-ke u-Yeremiya um-profeti lomazwi onke ku-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda e-Yerusalem,

7 Yakubon'ukuba impi yokumkani wase-Babeli iyalwa ne-Yerusalem, nemizi yonke yakwa-Yuda eseleyo, ne-Lakishe ne-Azeka; ngokuba kwakusele yona emizini yakwa-Yuda iyimizi enqatyisiweyo.

8 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, emveni kokwenza kokumkani u-Tsedekiya umnqopîso nabantu bonke base-Yerusalem, wokuvakalisa kubo inkululeko;

9 Yayilelokuba elowo andulule ikôboka lakê, elowo ikôbokazana lakê elingum-Hebere, elingum-Heberekazi, elikûlule; kungabikô umkônzisayo um-Yuda umzalwana wakê.

10 Bapûlapûla-ke abatêtêli bonke nabantu bonke abangenayo emnqopîsweni wokuba elowo andulule ikôboka lakê, elowo ikôbokazana lakê, elikûlule, angabi sabakônzisa; bapûlapûla-ke, babandulula.

11 Emveni koko bajika, bawabuyisa amakôboka namakôbokazana ababewandulule bewakûlule, bawaxinzelela ekubeni ngamakôboka namakôbokazana.

12 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, lisitî,

13 Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Mna ndenza umnqopîso noyihlo mini ndabakûpâ ezweni le-Yiputa, endlwini yobukôboka, ndatî,

14 Ekupêleni kweminyaka esixênxe ize nindulule elowo umzalwana wakê ongum-Hebere, owazitêngisayo kuwe; wokukônza iminyaka emitândatû, umndulule kuwe, umkûlule; ke oyihlo abandipûlapûlanga, abanditôbelanga ndlebe.

15 Nina-ke nibuyile namhla, nenza okutê-tye emehlweni am ngokuvakalisa inkululeko, elowo kuwabo, nenza umnqopîso pâmbî kwam endlwini ebizwe ngegama lam;

Digitized by Google

16 Nisuke najika, nalihlambêla igama lam, nabuyisa elowo ikôboka lakê, elowo ikôbokazana lakê, enaniwandulule niwakûlule ngokutânda kwawo, nawaxinzelela ekubeni ngamakôboka namakôbokazana kuni.

17 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Anindipûlapûlanga ngokuvakalisa inkululeko, elowo kumzalwana wakê, elowo kuwabo; yabonani, ndivakalisa kuni inkululeko, utsho u-Yehova, yokuya erêleni, nasendlaleni, nasendyikityeni yokufa, ndininikele kwizikumkani zonke zomhlaba, ukuze nibe yinto yokunqakulisa;

18 Ndiwenze amadoda awugqitîleyo umnqopîso wam, angawagcinanga amazwi omnqopîso awawenzayo pâmbî kwam, abe lelotôle alicanda kubini, acanda pâkatî kwezahlulo zenyama yalo;

19 Abatêtêli bakwa-Yuda, nabatêtêli base-Yerusalem, namagosa, nabenzeleleli, nabantu bonke belizwe abacandayo pâkatî kwezahlulo zetôle;

20 Ndibanikele ezandleni zentshaba zabo nasezandleni zabafuna umpêfumlo wabo, zidliwe izidûmbû zabo zintaka zezulu nangamafamncwa ehlabati.

21 U-Tsedekiya-ke ukumkani wakwa-Yuda nabatêtêli bakê ndiya kubanikela esandleni sabafuna umpêfumlo wabo, nasesandleni sempi yokumkani wase-Babeli, yona leyo yemkayo kuni.

22 Yabona, ndiwisa umtêtô, utsho u-Yehova, wokuba ndibabuyisele kulomzi, balwe nawo, bawutîmbê, bawutshise ngomlilo, ndiyenze amanxuwa imizi yakwa-Yuda, ingemiwa.

35 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova ngemihla ka-Yovakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, lalisitî,

2 Yiya endlwini yama-Rekabi, utêtê nawo, uwangenise endlwini ka-Yehova, kwenye i-kambîli, uwaseze i-wayini.

3 Ndamtâbatâ-ke u-Yazaniya unyana ka-Yeremiya, unyana ka-Habatsiniya, nabazalwana bakê, nonyana bakê bonke, nendlu yonke yama-Rekabi;

4 Ndabangenisa endlwini ka-Yehova, ekambîlini yonyana baka-Hanan unyana ka-Igedaliya, umfo wakwa-Tîxo, esecaleni kwe-kambîli yabatêtêli, epêzu kwe-kambîli ka-Mahaseya unyana ka-Shalum, umgcini-mnyango.

5 Ndabeka pâmbî konyana bendlu yama-Rekabi indebe ezizele yi-wayini, nebekile, ndatî kubo, Selani i-wayini.

6 Batî bona, Asiyiseli i-wayini; ngokuba u-Yonadabi unyana ka-Rekabi, ubawo, wasiwisela umtêtô wokutî, Zeningaseli wayini, nina, nonyana benu, napâkade;

7 Ningakî zindlu, ningahlwayeli mbêwu, ningatyali si-diliya, ningabi nazo ezonto; ke nohlala ezin-tenteni yonke imihla yenu, ukuze nipîle imihla emininzi pêzu komhlaba eningabapâmbûkeli kuwo.

8 Silipûlapûle-ke izwi lika-Yonadabi unyana ka-Rekabi, ubawo, kuko konke awasiwisela umtêtô ngako, ukuba singaseli wayini yonke imihla yetû, tîna, abafazi betû, onyana betû nentombî zetû;

9 Lokuba singakî nazindlu zokuba sihlale kuzo, singabi nazi-diliya nantsimi nambêwu;

10 Sihleli ezin-tenteni, seva, senza ngako konke awasiwisela umtêtô ngako u-Yonadabi ubawo.

11 Kekaloku kwatî ekunyukeni kuka-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, esiza kwelilizwe, satî, Yizani singene e-Yerusalem ngenxa yempi yama-Kaledi, nangenxa yempi yama-Aram; sahlala-ke e-Yerusalem apâ.

12 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, lisitî,

13 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yiya, utî kumadoda akwa-Yuda nakubemi base-Yerusalem, Anikuvumi-na ukuqeqeshwa, ukuba niwapûlapûle amazwi am, utsho u-Yehova?

14 Amazwi ka-Yonadabi, unyana ka-Rekabi, awabamisela onyana bakê okuba bangaseli wayini, agciniwe; abaseli unanamhla; bawupûlapûla-ke umtêtô woyise; ke mna ndatêtâ kuni, nditêtâ, ndivuka kusasa, anindipûlapûlanga.

15 Ndazitûmela kuni zonke izicaka zam aba-profeti, ndizitûma, ndivuka kusasa, ndisitî, Kânibuye, elowo endleleni yakê embî, nilungise intlondi zenu, ningalandeli tîxo bambî, ukuze nibakônze: nohlala-ke emhlabeni endawunika nina noyihlo; ke anizitôbanga indlebe zenu, anindipûlapûlanga.

16 Inene, onyana baka-Yonadabi unyana ka-Rekabi bawugcinile umtêtô woyise, awabamiselayo, ke bona ababantu abandipûlapûlî;

Digitized by Google

17 Ngako oko utsho u-Yehova, u-Tixo wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yabonani, ndiwazisela ama-Yuda nabemi bonke base-Yerusalem bonke obububi ndatêtâyo ngabo, ngenxa yokuba ndatêtâ kubo, abeva; ndababiza, abasabela.

18 U-Yeremiya wati kwindlu yama-Rekabi, Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Ngenx' enokuba niwupûlapûle umtêtô ka-Yonadabi uyihlo, nayigcina yonke imitêtô yakê, nenza ngako konke awaniwisela umtêtô ngako;

19 Ngako oko utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Ku-Yonadabi, unyana ka-Rekabi, akuyi kunqunyukelwa ndoda yakuma pâmbî kwam yonke imihla.

36 Kwati, ngomnyaka wesine ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, lafika elilizwi ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, lisiti,

2 Tâbatêla kuwe incwadi esongiweyo, uwabâle kuyo onke amazwi endawatêtâ kuwe ngama-Sirayeli, nangama-Yuda, nangentlanga zonke, kususela kwimini endatêtâyo kuwe, utâbatêle emihleni ka-Yosiya, ude uze kulemini.

3 Mhlaumbî indlu ka-Yuda ingabupûlapûla bonke ububi endicinga ukubenza kubo, ukuze babuye elowo endleleni yakê embî, ndibuxolele ubugwenxa babo nesono sabo.

4 U-Yeremiya wabiza u-Baruki unyana ka-Neriya, wawabâla encwadini esongiweyo u-Baruki, epûma emlonyeni ka-Yeremiya, onke amazwi ka-Yehova, awawatêtâyo kuye.

5 U-Yeremiya wamwisela u-Baruki umtêtô, esiti, Mna ndivalelwe, andinakô ukuya endlwini ka-Yehova;

6 Yiya wena uwalese encwadini esongiweyo-leyo uyibâlileyo, epûma emlonyeni wam, amazwi ka-Yehova ezindlebeni zabantu endlwini ka-Yehova ngomhla wokuzila ukudla, uwalese nasezindlebeni zama-Yuda onke, avela emizini yawo;

7 Mhlaumbî ukutafuzisa kwabo kungawa pâmbî ko-Yehova, babuye elowo endleleni yake embî; ngokuba mkûlu umsindo nobushushu, abutêtileyo u-Yehova ngababantu.

8 Wenza-ke u-Baruki unyana ka-Neriya njengako konke abemwisele umtêtô u-Yeremiya um-profeti, wokuba awalese encwadini amazwi ka-Yehova endlwini ka-Yehova.

9 Kwati ngomnyaka weshumi ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, ngenyanga yesitôba, bamema uzilo lokudla pâmbî ko-Yehova kubantu bonke base-Yerusalem, nakubantu bonke, ababevele emizini yakwa-Yuda, beza e-Yerusalem.

10 U-Baruki wawalesa encwadini amazwi ka-Yeremiya endlwini ka-Yehova ekambîlini ka-Gemariya unyana ka-Shafan, umbâli, entendelezweni epezulu, ekungeneni kwesango elitsha lendlu ka-Yehova, ezindlebeni zabantu bonke.

11 Waweva u-Mikaya unyana ka-Gemariya, unyana ka-Shafan, onke amazwi ka-Yehova encwadini,

12 Wehla waya endlwini yokumkani, ekambîlini yombâli; nabo behleli kôna abatêtêli bonke: o-Elishama umbâli, no-Delaya unyana ka-Shemaya, no-Elinatan unyana ka-Akebore, no-Gemariya unyana ka-Shafan, no-Tsedekiya unyana ka-Hananiya, nabatêtêli bonke.

13 U-Mikaya wabaxelela onke amazwi abewavile ekuleseni kuka-Baruki encwadini ezindlebeni zabantu.

14 Bonke abatêtêli batûmela ku-Baruki u-Yehudi unyana ka-Netaniya, unyana ka-Shelemiya, unyana ka-Kushi, besiti, Incwadi esongiweyo leyo ulese kuyo ezindlebeni zabantu, yipâtê ngesandla sakô, uze. U-Baruki unyana ka-Neriya wayipâtâ-ke incwadi esongiweyo ngesandla sakê, weza kubo.

15 Bati kuye, Kâuhlale pântsi, uyilese ezindlebeni zetû. Wayilesa-ke u-Baruki ezindlebeni zabo.

16 Kwati, bakuweva onke lomazwi, bankwantya, elowo ebêka kuwabo; bati ku-Baruki, Simelwe kukumxelela ukumkani onke lamazwi.

17 Bambuza u-Baruki, besiti, Kâusixelele, utê-nina ukuwabâla onke lamazwi epûma emlonyeni wakê?

18 Wati u-Baruki kubo, Wawatêtâ kum onke lamazwi apûma emlonyeni wakê, ndawabâla encwadini-le nge-inki.

19 Bati abatêtêli ku-Baruki, Hambâ uye kuzimela wena no-Yeremiya, kungazi mntu apô nikôna.

20 Bangena-ke kukumkani entendelezweni, beyibeke incwadi esongiweyo e-ka-

Digitized by Google

mbîlini ka-Elishama umbâli, bawaxela ezindlebeni zokumkani onke amazwi lawo.

21 Ukumkani watûma u-Yehudi, ukuba ayitâbatê incwadi esongiweyo; wayitâbatâ-ke e-kambîlini ka-Elishama umbâli. U-Yehudi wayilesa ezindlebeni zokumkani, nasezindlebeni zabatêtêli bonke abamele ngakumkani.

22 Kekaloku ukumkani wayehleli endlwini yasebusika ngenyanga yesitôba, kubâsiwe elukâmbêni pâmbî kwakê.

23 Kwatî, xa u-Yehudi abelese imiqolo emitâtû nokuba mine, wayiqwenga *ukumkani* ngesitshetshe sombâli, wayipôsa emlilweni obuselukâmbêni, yada yatsha yagqibela yonke incwadi esongiweyo emlilweni obuselukâmbêni.

24 Abankwantyanga, abaziŕazulanga ingubo zabo ukumkani nabakônzi bakê ababeweva lomazwi onke.

25 Noko-ke bambongozayo ukumkani o-Elinatan no-Delaya no-Gemariya, ukuba angayitshisi incwadi esongiweyo; akabapûlapûlanga.

26 Ukumkani wabawisela umtêtô o-Yerameli unyana kakumkani, no-Seraya unyana ka-Azeriyeli, no-Shelemiya unyana ka-Abedeli, ukuba bambambê u-Baruki umbâli no-Yeremiya um-profeti; u-Yehova wabazimeza.

27 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, emveni kokuba ukumkani abeyitshisile incwadi esongiweyo, namazwi abewabâlile u-Baruki, epûma emlonyeni ka-Yeremiya, lisitî,

28 Buya utâbatê enye incwadi esongiweyo, ubâle kuyo onke amazwi okuqala abe sencwadini esongiweyo yokuqala awayitshisayo u-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda;

29 Utî ku-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda, Utsho u-Yehova ukutî, Wena uyitshisile lencwadi isongiweyo, usitî, Yinina ukuba ubâle kuyo ukutî, Ukumkani wase-Babeli uya kuza eze, alonakalise elilizwe, apêlise umntu nenkomo kulo?

30 Ngako oko, utsho u-Yehova ngoku-singisele ku-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda, ukutî, Akuyi kubakô bani wakwakô kuye uhlalayo e-troneni ka-Davide, isidûmbû sakê siya kulahlelwa elangeni emini, nasengqeleni ebusuku;

31 Ndimvelele yena nembêwu yakê nabakônzi bakê ngobugwenxa babo; ndibuzisele bona, nabemi base-Yerusalem, namadoda akwa-Yuda, bonke ububi endabutêtâyo kubo; ke abapûlapûla.

32 U-Yeremiya watâbatâ enye incwadi esongiweyo, wayinika u-Baruki unyana ka-Neriya, umbâli; wawabâla kuyo epûma emlonyeni ka-Yeremiya onke amazwi encwadi awayitshisayo u-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda ngomlilo. Kongezelelwa kuwo amazwi amaninzi anjengawo.

37 Kekaloku ukumkani u-Tsedekiya unyana ka-Yosiya waba ngukumkani esikûndleni sika-Koniyahu unyana ka-Yoyakim, owenziwa ukumkani ezweni lakwa-Yuda ngu-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli.

2 Akawapûlapûla naye, nabakônzi bakê, nabantu belizwe, amazwi ka-Yehova awawatêtâyo ngo-Yeremiya um-profeti.

3 Ukumkani u-Tsedekiya watûma o-Yehukali unyana ka-Shelemiya, no-Tsefaniya unyana ka-Mahaseya, umenzeleleli, ku-Yeremiya um-profeti, esitî, Kâusitândazele ku-Yehova u-Tîxo wetû.

4 U-Yeremiya-ke ubengena epûma pâkatî kwabantu, bengekamfaki entolongweni.

5 Kekaloku impi ka-Faro ibipûme e-Yiputa; aziva indaba zayo ama-Kaledi abeyingqinga i-Yerusalem, esuka emka e-Yerusalem.

6 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya um-profeti, lisitî,

7 Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yitshoni kukumkani wakwa-Yuda, onitûme ukuza kubuzisa kum, ukutî, Yabonani, impi ka-Faro epûme isiza ukuninceda, iya kubuyela ezweni layo e-Yiputa;

8 Abuye-ke ama-Kaledi, alwe nalomzi, awutîmbê, awutshise ngomlilo.

9 Utsho u-Yehova ukutî, Musan' ukuzikôhlisa ngokwenu, nisitî, Aya kumka kanye kutî ama-Kaledi; ngokuba akayi kumka.

10 Inene, beningafanelana niyixabele impi yonke yama-Kaledi alwayo nani, kwasala kuwo amadoda azinxwelefa, abeya kuvuka elowo en-tenteni yakê, awutshise lomzi ngomlilo.

11 Kwatî, ekumkeni kwempi yama-Kaledi e-Yerusalem ngenxa yempi ka-Faro,

Digitized by Google

12 Wapûma u-Yeremiya e-Yerusalem esiya ezweni lakwa-Benyamin, ukuba atâbatê kôna isahlulelo sakê pâkatî kwabantu.

13 Kwatî, esesangweni lakwa-Benyamin, ekôna nompâtî-balindi, ogama lingu-Iriya unyana ka-Shelemiya, unyana ka-Hananiya, wambambâ u-Yeremiya umprofeti, esitî, Upâmbêla kuma-Kaledi.

14 Watî, u-Yeremiya, Uyaxoka; andipâmbêli kuma-Kaledi. Ke akampûlapûla; u-Iriya wambambâ u-Yeremiya, wamsa kubatêtêli.

15 Abatêtêli bamqumbêla u-Yeremiya, bambetâ, bamfaka endlwini yababanjwa, endlwini yombâli u-Yonatan; ngokuba bebeyenze intolongo.

16 Xa u-Yeremiya ebengenile endlwini engumhādi, ezingontsini, wahlala kôna u-Yeremiya imihla emininzi;

17 Utê-ke ukumkani u-Tsedekiya watûmela, wamtâbatâ; ukumkani wambuza endlwini yakê ngasese, watî, Kukô lizwi-na lipûma ku-Yehova? Watî u-Yeremiya, Likô; watî, Uya kunikelwa esandleni sokumkani wase-Babeli.

18 Watî u-Yeremiya kukumkani u-Tsedekiya, Ndône nganto-nina kuwe, nakubakônzi bakô, nakwababantu, ukuba nindifake entolongweni-nje?

19 Bapîna-ke aba-profeti benu ababeprofeta kuni, besitî, Ukumkani wase-Babeli akayi kunifikela nina, nalo elilizwe?

20 Kaloku-ke kâupûlapûle, nkosi yam kumkani, makuwe pâmbî kwakô ukutafuzisa kwam; mus' ukundibuyisela endlwini ka-Yonatan umbâli, hleze ndifele kôna.

21 Ukumkani u-Tsedekiya wawisa umtêtô; bambeka u-Yeremiya entendelezweni zabalindi, bamnika intenda yesonka imihla ngemihla esi-trateni saboji, sada sapêla sonke isonka pâkatî komzi. U-Yeremiya wahlala-ke entendelezweni yabalindi.

38 Kekaloku u-Shefatiya unyana ka-Matan, no-Gedaliya unyana ka-Pashure, no-Yukali unyana ka-Shelemiya, no-Pashure unyana ka-Malekiya, baweva amazwi abewatêtâ u-Yeremiya kubantu bonke, esitî,

2 Utsho u-Yehova ukutî, Ohlala kulomzi wofa ngefele, nangendlala, nangendiyikitya yokufa; opûma aye kuma-Kaledi wopîla, ube lixôba umpêfumlo wakê, apîle.

3 Utsho u-Yehova ukutî, Lomzi uya kunikelwa esandleni sempi yokumkani wase-Babeli, awutîmbê.

4 Batî-ke abatêtêli kukumkani, Mayibulawe lendoda, ngokuba ngokwenje-nje iwisa izandla zamadoda okulwa, aseleyo kulomzi, nezandla zabantu bonke, ngokutêtâ kubo amazwi anje; ngokuba lendoda ayilukâtâlele uxolo lwababantu, inxâmele ububi babo.

5 Watî ukumkani u-Tsedekiya, Yabonani, usezandleni zenu; ngokuba ukumkani enge nakutî-ni enge nani.

6 Bamtâbatâ u-Yeremiya, bampôsa emhādini ka-Malekiya unyana kakumkani, obusentendelezweni yabalindi; bamhlisa u-Yeremiya ngezintya emhādini, lowo unge namanzi, unodaka; watshona eludakeni u-Yeremiya.

7 Weva u-Ebedi-meleki um-Kushi, indoda elitênwa, ebi sendlwini yokumkani, ukuba bamfake emhādini u-Yeremiya; ukumkani-ke ubehleli esangweni lakwa-Benyamin;

8 Wapûma u-Ebedi-meleki endlwini yokumkani, watêtâ kukumkani, esitî,

9 Nkosi yam, kumkani, lamadoda enze into embî ngako konke akwenzileyo ku-Yeremiya um-profeti-lo, ampôse emhādini; uya kufa ngendlala kulondawo akuyo; ngokuba akusekô sonka kulomzi.

10 Ukumkani wamwisela umtêtô u-Ebedi-meleki um-Kushi, esitî, Tâbatâ apâ amadoda angamashumi amatâtû asesandleni sakô, umfole u-Yeremiya um-profeti emhādini, engekafi.

11 U-Ebedi-meleki watâbatâ amadoda lawo asesandleni sakê, waya endlwini kakumkani ngapântsi kwendlu yobuncwane, watâbatâ kôna amadlavu engubo eziřazukileyo nawezonakeleyo, wawatôbela ku-Yeremiya emhādini ngezintya.

12 Watî u-Ebedi-meleki um-Kushi ku-Yeremiya, Kâubeke lamadlavu engubo eziřazukileyo nawezonakeleyo pântsi kwamakwapâ akô ngapântsi kwezintya. Wenje njalo u-Yeremiya.

13 Bamfola u-Yeremiya ngezintya, bamnyusa emhādini; u-Yeremiya wahlala entendelezweni yabalindi.

14 Watûma ukumkani u-Tsedekiya, wa-

Digitized by Google

mtâbatêla kuye u-Yeremiya um-profeti e-kungeneni emnyango wesitâtû osendlwini ka-Yehova. Watî ukumkani ku-Yeremiya, Ndiyakubuza indawo; uz'ungafihli nto kum.

15 Watî u-Yeremiya ku-Tsedekiya, Ukuba nditê ndakuxelela, akuyi kundibulala-na? nokuba nditê ndakucebisa, akuyi kundipûlapûla.

16 Ukumkani u-Tsedekiya wamfungela u-Yeremiya ngasese, esitî, Ehleli-nje u-Yehova, owasenzela lompêfumlo, inene andiyi kukubulala, andiyi kukunikela ezandleni zalomadoda awufunayo umpêfumlo wakô.

17 Watî u-Yeremiya ku-Tsedekiya, Utsho u-Yehova, u-Tixo wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Ukuba utê wapûma ukupûma-oku, waya kubatêtêli bokumkani wase-Babeli: wopûla umpêfumlo wakô, nalomzi ungatshiswa ngomlilo; upîle wena nendlu yakô;

18 Ke ukuba utê akwapûma uye kubatêtêli bokumkani wase-Babeli: lomzi wonikelwa esandleni sama-Kaledi, awutshise ngomlilo, wena-ke ungasindi esandleni sawo.

19 Ukumkani u-Tsedekiya watî ku-Yeremiya, Ndinesitûkutêzi ngama-Yuda, apâmbêle kuma-Kaledi, hleze andinikele esandleni sawo, afeketê ngam.

20 Watî u-Yeremiya, Akayi kukunikela. Kâulipûlapûle izwi lika-Yehova ngokoko ndilitêtîleyo kuwe: kolunga kuwe, upîle umpêfumlo wakô;

21 Ke ukuba utê akwavuma ukupûma: nali ilizwi, andibonise lona u-Yehova, lokutî,

22 Yabona, bonke abafazi, abaseleyo endlwini yokumkani wakwa-Yuda, baya kukûtshwa basiwe kubatêtêli bokumkani wase-Babeli, batî abafazi abo, Amadoda axolelene nawe akuxôkonxile, akweyisile; zitshone-nje emgxobozweni inyawo zakô, wona abuya umva;

23 Ke bonke abafazi bakô nonyana bakô bakûtshwe basiwe kuma-Kaledi, ungasindi wena esandleni sawo; ke wena uya kubanjwa sisandla sokumkani wase-Babeli, utshise lomzi ngomlilo.

24 U-Tsedekiya watî ku-Yeremiya, Lamazwi makangaziwa mntu, ukuze ungafi.

25 Xa-ke batê beva abatêtêli ukuba nditêtê nawe, beza kuwe, batî kuwe, Kâusixelele oko ukutêtîleyo kukumkani; mus' ukukufihla kutî, asikukubulala; kwa nakutêtîleyo ukumkani kuwe:

26 Wotî kubo, Ndiwise utafuziso lwam pâmbî kokumkani, ukuba angandibuyiseli endlwini ka-Yonatan, ndifele kôna.

27 Beza ku-Yeremiya bonke abatêtêli, bambuza; wabaxelela ngokwalomazwi onke abewise umtêtô ngawo ukumkani. Batî-tu, bemka kuye; ngokuba ayivakalanga lento.

28 Wahlala u-Yeremiya entendelezweni yabalindi kwada kwangumhla eyatînjwa ngawo i-Yerusalem.

39 Kwatî, xenikweni i-Yerusalem ibitînjiwe, (ngomnyaka wesitôba ka-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, ngenyanga yeshumi, akubon'ukuba ufikile e-Yerusalem u-Nebukadenetsare nempi yakê yonke,

2 Bayingqinga ngomnyaka weshumi elinamnye ka-Tsedekiya, ngenyanga yesine ngolwesitôba enyangeni-leyo wagqojozwa umzi;)

3 Bafika bonke abatêtêli bokumkani wase-Babeli, bahlala esangweni lapakatî: o-Nergale-sharetsere, no-Samgare-nebo, no-Sarsekim umtêtêli wamatênwa, no-Nergale-sharetsere umtêtêli wezazi, nabanye abatêtêli bonke bokumkani wase-Babeli.

4 Kwatî, akubabona u-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda namadoda onke okulwa, babaleka, bapûma ngobusuku pâkati komzi ngendlela yomyezo wokumkani, ngesango elipâkatî kwendonga, bapûma ngendlela ye-Araba.

5 Impi yama-Kaledi yabasukela, yamfikela u-Tsedekiya eziṅqantosini zase-Yeriko, yamtâbatâ yenyuka naye, yamsa ku-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli e-Ribela ezweni le-Hamati, atêtwa kôna amatyala akê.

6 Ukumkani wase-Babeli wababulala onyana baka-Tsedekiya e-Ribela emehlweni akê; nabanumzana bonke bakwa-Yuda wababulala ukumkani wase-Babeli.

7 Wamtyapaza amehlo u-Tsedekiya, wamkônxa ngamakâmandela obêdu, ukuba asiwe e-Babeli.

8 Ama-Kaledi ayitshisa ngomlilo indlu yokumkani nezindlu zabantu, azidiliza nendonga zase-Yerusalem.

9 Amasalela abantu abaseleyo pâkatî komzi, amapâmbâ apâmbêlayo kuye, kwa namasalela abantu abaseleyo, wabafudu-

Digitized by Google

sela e-Babeli u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi;

10 Ke inxenye yabantu abazisweli abange nanto iyinto, u-Nebuzaradan inkulu yamazemb'enkosi wayishiya ezweni lakwa-Yuda, wayinika izi-diliya namasimi ngalomhla.

11 Kekaloku u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli wawisa umtêtô ngo-Yeremiya ngesandla sika-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi, esitî,

12 Mtâbatê, umise amehlo akô kuye, ungenzi nto imbî kuye; wotî, njengoko akutêtâ kuwe, wenje njalo kuye.

13 Ke batûma o-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi, no-Nebushazeban umtêtêli wamatênwa, no-Nergale-sharetsere umtêtêli wezazi, nabatêtêli bonke bokumkani wase-Babeli;

14 Batûma bamtâbatâ u-Yeremiya entendelezweni yabalindi, bamnikela ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan, ukuba amkûpê amse ekâya. Wahlala-ke pâkatî kwabantu.

15 Kekaloku kwakufike ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya, akuba evalelwe entendelezweni yabalindi, lisitî,

16 Yiya utî ku-Ebedi-meleki um-Kushi, Utsho u-Yehova wemikosi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Yabona, amazwi am ndiwazisela ububi kulomzi, andiwaziseli okulungileyo, aya kwenzeka pâmbî kwakô ngalomhla;

17 Ke ndokuhlangula ngalomhla, utsho u-Yehova, unganikelwa esandleni samadoda onxungupêleyo ngawo;

18 Ngokuba inene, ndiya kukusiza, ungawi ngefele, uya kuba lixôba kuwe umpêfumlo wakô, ngokuba ukôlose ngam, utsho u-Yehova.

40 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya, livela ku-Yehova, emveni kokuba ebendululwe e-Rama ngu-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi, ekumtâbatêni kwakê ekônxiwe ngemixokelelwane pâkatî kwabafudusiweyo bonke base-Yerusalem nabakwa-Yuda, ababefuduselwa e-Babeli.

2 Umtêtêli wamazemb'enkosi wamtâbatâ-ke u-Yeremiya, watî kuye, U-Yehova u-Tixo wakô-watêtâ obububi ngalendawo;

3 U-Yehova wabufikisa, wenza njengoko wakutêtâyo; ngokuba nônayo ku-Yehova, analipûlapûla izwi lakê, yabakô-ke lento kuni.

4 Kaloku-ke yabona, ndiyayicombûlula namhla imixokelelwane esezandleni zakô. Ukuba kutê kwalunga emehlweni akô ukuya nam e-Babeli, yiza, ndolimisa iliso lam kuwe; ukuba kutî kwakubi emehlweni akô ukuya nam e-Babeli, yeka-ke; uyabona, ilizwe lonke lipâmbî kwakô; ukuya apô kutê kwalunga kwatî-tye emehlweni akô, oko ngokwakô yiya kôna.

5 Utê-ke engekabuyi, watî, Buyela ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan, owenziwa umveleli ngukumkani wase-Babeli emizini yakwa-Yuda, uhlale naye pâkatî kwabantu; okanye uye apô kutê-tye emehlweni akô ukuya kôna. Umtêtêli wamazemb'enkosi wamnika umxêsho nesipô, wamndulula.

6 U-Yeremiya waya ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam e-Mitspa, wahlala naye pâkatî kwabantu ababesele elizweni.

7 Kekaloku beva bonke abatêtêli bezimpi ezisendle, bona namadoda abo, ukuba ukumkani wase-Babeli umenze umveleli welizwe u-Gedaliya unyana ka-Ahikam, nokuba umenze umveleli wamadoda, nabafazi, nabantwana, nezisweli zelizwe, kwababengafuduselwanga e-Babeli;

8 Beza-ke ku-Gedaliya e-Mitspa ingu-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, no-Yohanan no-Yonatan onyana baka-Kareha, no-Seraya unyana ka-Tanumete, nonyana baka-Efayi wase-Netofa, no-Yezaniya umntu wase-Mahaka, bona namadoda abo.

9 U-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan, wabafungela namadoda abo, esitî, Musan' ukoyika ukuwakônza ama-Kaledi; hlalani kwelilizwe, nimkônze ukumkani wase-Babeli, kulunge kuni.

10 Yabonani, ndihleli e-Mitspa, ukuze ndime pâmbî kwama-Kaledi, aya kuza kutî; ke nina hlanganisani i-wayini neziqâmo zasehlotyeni ne-oli, nibeke ezityeni zenu, nihlale emizini yenu, enitê nayitîmbâ.

11 Nama-Yuda onke abe kwelakwa-Mowabi, nakonyana baka-Amon, nakwelakwa-Edom, nabesemazweni onke, eva ukuba ukumkani wase-Babeli umise amasalela kwa-Yuda, nokuba umenze umveleli wawo u-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan;

12 Abuya-ke onke ama-Yuda endaweni zonke abegxotêlwe kuzo, eza elizweni lakwa-Yuda ku-Gedaliya e-Mitspa, abutâ i-

Digitized by Google

wayini neziqâmo zasehlotyeni zazininzi kakûlu.

13 Kekaloku u-Yohanan unyana ka-Kareha, nabatêtêli bonke bezimpi ababe semapândleni, beza ku-Gedaliya e-Mitspa,
14 Batî kuye, Uhleli usazi-na ukuba u-Bahalisi ukumkani wonyana baka-Amon utûme u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, ukuba akubulale? Ke u-Gedaliya unyana ka-Ahikam ubengakôlwa ngabo.
15 U-Yohanan unyana ka-Kareha watêtâ ku-Gedaliya ngasese e-Mitspa, watî, Makê ndiye ndimbulale u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, kungazi mntu; yinina ukuba ade abulale wena, acîtâcîtwe ama-Yuda onke ahlanganisene kuwe, atshabalale amasalela akwa-Yuda?
16 U-Gedaliya unyana ka-Ahikam watî ku-Yohanan unyana ka-Kareha, Mus' ukuyenza lonto; ngokuba utêtâ ubuxoki ngo-Ishmayeli.

41 Kwatî ngenyanga yesixênxe weza u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, unyana ka-Elishama, wasembêwini yokumkani, wakubatêtêli bokumkani, enamadoda alishumi, ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam e-Mitspa, badla isonka ndawonye e-Mitspa apô.
2 Wesuka u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, namadoda alishumi abe naye, wambulala u-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan, ngerele; wambulalake obenziwe umveleli ngukumkani wase-Babeli ezweni eli,
3 Nama Yuda onke abe naye, abe no-Gedaliya e-Mitspa, nama-Kaledi awafunyanwayo kôna, angamadoda okulwa, wawabulala u-Ishmayeli.
4 Kwatî-ke ngomhla wesibini emva kokubulawa kuka-Gedaliya, kungazi mntu,
5 Afika amadoda evela kwa-Shekem nase-Shilo nakwa-Samari, amadoda angamashumi asibôzo eguye indevu, ezirazule ingubo, ezicentile, eneminikelo yokudla nentlak' emhlope ezandleni zawo, eyizisa endlwini ka-Yehova.
6 Wapûma e-Mitspa u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, waya kuwakâulela, emana ehambâ elila. Kwatî, akufika kuwo, watî kuwo, Yizani ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam.
7 Kwatî, akufika pâkatî komzî, wawabulala u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, wawalahlela emhâdini pâkatî, yena namadoda-lawo abe naye.
8 Ke kwafumaneka kuwo amadoda alishumi, awatî ku-Ishmayeli, Mus' ukusibulala, ngokuba sinezisele endle ezinenqôlowa, nefasi, ne-oli, nobusi. Wawayeka-ke, akawabulala pâkatî kwabazalwana bawo.
9 Kekaloku umhâdi, apô u-Ishmayeli wazilahlela kuwo ngaku-Gedaliya zonke izidûmbû zamadoda abewabulele; (lowo wawenzayo ukumkani u-Asa ngenxa ka-Bahesha ukumkani wakwa-Sirayeli;) u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya wawuzalisa ngababuleweyo.
10 U-Ishmayeli wawatîmbâ onke amasalela abantu abase-Mitspa, intombî zokumkani, nabantu bonke abebesele e-Mitspa, abenziwe umveleli wabo u-Gedaliya unyana ka-Ahikam ngu-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi; wabatîmbâ-ke u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, wahambâ wawelela konyana baka-Amon.

11 Weva u-Yohanan unyana ka-Kareha, nabatêtêli bonke bezimpi ebezinaye, bonke ububi awabenzayo u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya;
12 Bawatâbatâ onke amadoda, baya kulwa no-Ishmayeli unyana ka-Netaniya, bamfumana ngasemanzini amakûlu ase-Gibeyon.
13 Kwatî, bonke abantu abano-Ishmayeli, bakumbona u-Yohanan unyana ka-Kareha, nabatêtêli bezimpi ezinaye, bavuya;
14 Bajika bonke abantu abebatîmbê e-Mitspa u-Ishmayeli, babuya baya ku-Yohanan unyana ka-Kareha.
15 Ke u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya wasinda, enamadoda asibôzo, ebusweni buka-Yohanan, waya konyana baka-Amon.
16 Wawatâbatâ u-Yohanan unyana ka-Kareha, nabatêtêli bonke bezimpi ababe naye, onke amasalela abantu, awababuyisayo u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya e-Mitspa, emveni kokuba ebembulele u-Gedaliya unyana ka-Ahikam, amagoña, amadoda okulwa, nabafazi, nabantwana, namatênwa, abewabuyisile e-Gibeyon;
17 Baya bahlala endlwini yabapâmbûkoli ka-Kimham engase-Betelehem, ukuba baye kungena e-Yiputa,
18 Ngenxa yama-Kaledi; ngokuba be-

Digitized by Google

bewoyika, ngokuba u-Ishmayeli unyana ka-Netaniya ebembulele u-Gedaliya unyana ka-Ahikam, owayenziwe umveleli welizwe ngukumkani wase-Babeli.

42 Basondela bonke abatêtêli bezimpi: o-Yohanan unyana ka-Kareha, no-Yezaniya unyana ka-Hoshaya, nabantu bonke, betâbatêla komncinane base komkûlu;

2 Batî ku-Yeremiya um-profeti, Ukutafuzisa kwetû makê kuwe pâmbî kwakô, usitândazele ku-Yehova u-Tîxo wakô, utândazele lamasalela onke; ngokuba sisele sambalwa besibaninzi, njengoko asibonayo amehlo akô;

3 U-Yehova u-Tîxo wakô asixelele indlela esingahambâ ngayo, nento esingayenzayo.

4 Watî u-Yeremiya um-profeti kubo, Ndivile; yabonani, ndiya kutândaza ku-Yehova u-Tîxo wenu ngokwamazwi enu; kutî onke amazwi anipêndule ngawo u-Yehova, ndinixelele; andiyi kunivimbâ lizwi.

5 Batî bona ku-Yeremiya, U-Yehova makabe linqîna elinyanisileyo elitêmbêkayo ngatî, ukuba asitânga senze ngokwelizwi lonke, awokutûma lona kutî u-Yehova u-Tîxo wakô.

6 Nokuba lilungile, nokuba libi, siya kulipûlapûla ilizwi lika-Yehova u-Tîxo wetû, esikutûmela kuye; ukuze kulunge kutî, xa silipûlapûlayo ilizwi lika-Yehova u-Tîxo wetû.

7 Kwatî ekupêleni kwemihla elishumi kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya.

8 Wabiza u-Yohanan unyana ka-Kareha, nabatêtêli bonke bezimpi ababe naye, nabantu bonke, batâbatêla komncinane, besa komkûlu,

9 Watî kubo, Utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli, eninditûmele kuye, ukuba ndiwise ukutafuzisa kwenu pâmbî kwakê, ukutî,

10 Ukuba nitê nahlala kwelilizwe: ndonakâ, ndinganigungxuli; ndonityala, ndinganinyotûli; ngokuba ndizohlwaya ngenxa yobubi endibenzileyo kuni.

11 Musan' ukumoyika ukumkani wase-Babeli lowo nimoyikayo; musan' ukumoyika, utsho u-Yehova; ngokuba ndinani ukuba ndinisindise, ndinihlangule esandleni sakê,

12 Ndinenzele imfesane, abe nemfesane kuni, anibuyisele emhlabeni wakowenu.

13 Ke ukuba nitê, Asisokuhlala kwelilizwe, analipûlapûla izwi lika-Yehova u-Tîxo wenu,

14 Natî, Hayi, tîna siya kuya ezweni le-Yiputa, ukuze singabonani nemfazwe, singaliva nezwi lesigodlo, singalambêli sonka, sihlale kôna-ke:

15 Ngako oko kaloku liveni ilizwi lika-Yehova, masalela akwa-Yuda; utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Ukuba nitê nabubêkisa kwapêla ubuso benu e-Yiputa, naya kupâmbûkela kôna:

16 Ire le, eniloyikayo, lonifikela nakôna ezweni le-Yiputa; nendlala leyo, ninesitûkutêzi ngayo, yonambâtâ ukunilandela e-Yiputa, nifele kôna.

17 Namadoda onke, abubêkise ubuso bawo e-Yiputa ukuba apâmbûkele kôna, afe ngerele, nangendlala, nangendyikitya yokufa, kungasali nanye kuwo isindayo ebubini, endiwazisela bona.

18 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Njengoko wapâlazekayo umsindo wam nobushushu bam pêzu kwabemi base-Yerusalem, buya kwenje njalo ukupâlazeka kobushushu bam pêzu kwenu ekuyeni kwenu e-Yiputa, nibe yintshwabulo, nesimanga, nentshabîso, nesingcikivo, ningabi sayibona lendawo.

19 U-Yehova utêtile kuni, masalela akwa-Yuda; musan' ukuya e-Yiputa; yazini nazi ukuba ndiqononondisile ukutêtâ kuni namhla.

20 Ngokuba niyayilahlekisa imipêfumlo yenu; xa ninditûmele ku-Yehova u-Tîxo wenu, nisitî, Sitândazele ku-Yehova u-Tîxo wetû; njengoko konke awokutêtâ kutî u-Yehova u-Tîxo wetû, sixelele njengoko, sokwenza;

21 Ndinixelele-ke namhla, anilipûlapûlanga izwi lika-Yehova u-Tîxo wenu ngako konke awanditûmelayo ngako kuni.

22 Kungoku-nje yazini ukuba niya kufa ngerele, nangendlala, nangendyikitya yokufa, kulondawo ninxâmele ukuya kuyo, ukuba nipâmbûkele kuyo.

43 Kwatî, akugqiba u-Yeremiya ukuwatêtâ ebantwini bonke amazwi onke ka-Yehova u-Tîxo wabo, awamtûma

Digitized by Google

wona u-Yehova u-Tixo wabo kubo, onke lamazwi,

2 Batsho o-Azariya unyana ka-Hoshaya no-Yohanan unyana ka-Kareha, namadoda onke akúkúmeleyo, ukuti ku-Yeremiya, Utétá ubuxoki; u-Yehova u-Tixo wetú akakutúmanga kuti, ukuba uti, Zeningayi e-Yiputa nipámbúkele kóna;

3 U-Baruki-ke unyana ka-Neriya uyakuxókonxa ngakuti, kub'efun'ukuba simikelwe esandleni sama-Kaledi, ukuba asibulale, ukuba asifudusele e-Babeli.

4 U-Yohanan unyana ka-Kareha, nabo bonke abatétéli bezimpi, nabantu bonke abalipúlapúlanga izwi lika-Yehova lokuba bahlale elizweni lakwa-Yuda.

5 U-Yohanan unyana ka-Kareha, nabo bonke abatétéli bezimpi bawatábatá onke amasalela akwa-Yuda, abebuye evela ezintlangeni zonke abegxotélwe kuzo, ukuba aye kupámbúkela ezweni lakwa-Yuda;

6 Amadoda, nabafazi, nabantwana, nentombí zokumkani, nemipéfumlo yonke, abeyishiye u-Nebuzaradan umtétéli wamazemb'enkosi ku-Gedaliya unyana ka-Ahikam, unyana ka-Shafan, no-Yeremiya um-profeti, no-Baruki unyana ka-Neriya,

7 Baya-ke ehizweni le-Yiputa, ngokuba bebengalipúlapúlanga izwi lika-Yehova; baya bafika e-Tapanesi.

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya e-Tapanesi, lisiti,

9 Tábatá ngesandla sakó amatye amakúlu, uwaqusheke eludakeni endaweni yokutshisa izi-tena, esemnyango wendlu ka-Faro e-Tapanesi, emehlweni amadoda akwa-Yuda;

10 Uti kuwo, Utsho u-Yehova wemikósi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yabonani, ndiya kutúmela nditábatá u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, isicaka sam, ndiyibeke i-trone yakó ngapézu kwalamatye, ndiwaqushekileyo; aneke isivató sakó esihlo ngapézu kwawo;

11 Afike alibetá ilizwe le-Yiputa; owokufa afe, owokutínjwa atínjwe, owerele abe ngowerele;

12 Ndifake isikuni ezindlwini zotíxo base-Yiputa, azitshise zona, abatímbé bona, azití-wambú ngelizwe le-Yiputa, njengokuba umalúsi eziti-wambú ngengubo yakó, apúme kulo enoxolo;

13 Awaqékeze amatye amisiweyo ase-Beteshemeshe, asezweni le-Yiputa, azitshise ngomlilo izindlu zotíxo base-Yiputa.

44 Ilizwi elafikayo ku-Yeremiya ngokusingisele kuma-Yuda onke ahleli ezweni le-Yiputa, ahleli e-Migidoli, nase-Tapanesi, nase-Nofu, nasezweni lase-Patrosi, lalisiti,

2 Utsho u-Yehova wemikósi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Nibubonile ububi bonke endayizisela bona i-Yerusalem, nemizi yonke yakwa-Yuda; niyabona ingamanxuwa ngayo lemini, akukó umiyo kuyo;

3 Ngenxa yobubi ababenzayo ukuze bandiqumbise ngokuya ngokuqúmisela kukónza tixo bambi, ababengabazi bona nani noyihlo.

4 Ndatúmela kuni zonke izicaka zam aba-profeti, ndizitúma ndivuka kusasa, ndisiti, Musan' ukukó niyenze lento ingamasikizi, ndiyitiyileyo.

5 Noko-ke abevanga, abayitóbanga indlebe yabo, ukuba babuye kobobubi babo, bangaqúmiseli tixweni bambi.

6 Bapálazeka-ke ubushushu bam nomsindo wam; watshisa emizini yakwa-Yuda nasezi-trateni ze-Yerusalem; yaba linxuwa, yabafa, njengoku kunjalo namhla.

7 Kaloku utsho u-Yehova wemikósi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yinina ukuba niyenzele ububi obukulu kangaka imipefumlo yenu bokunqumla kuni indoda nomfazi, umntwana nosebeleni, kwelakwa-Yuda, kungasali masalela kuni;

8 Ngokundiqumbisa ngezenzo zezandla zenu, ngokuqúmisela tixweni bambi ezweni le-Yiputa, eneza kupámbúkela kulo; ukuze nizinqumle ngokwenu, nibe yintshabiso nesingcikivo ezintlangeni zonke zomhlaba?

9 Nizilibele-na izinto ezimbi zoyihlo, izinto ezimbi zokumkani bakwa-Yuda, nezinto ezimbi zabafazi babo, nezinto ezimbi zenu ngokwenu, nezinto ezimbi zabafazi benu, abazenzayo ezweni lakwa-Yuda nasezi-trateni ze-Yerusalem?

10 Unanamhla abatyumkanga, aboyikanga, abahambánga ngomyalelo wam nangemimiselo yam, endayibeka pámbi kwenu napámbi koyihlo.

11 Ngako oko utsho u-Yehova wemikósi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukuti, Yabonani, ubuso bam ndiya kububékisa kuni, ukuba kube kubi, anqunyulwe onke ama-Yuda.

12 Ndiwatábatá amasalela akwa-Yuda, abubékisileyo ubuso bawo ekuyeni ezweni le-Yiputa ukuba apámbúkele kuyo, agqitywe onke; aya kuwa ezweni le-Yiputa;

Digitized by Google

aya kugqityelwa ngeřele nangendlala; kutàbatèle kwabancinane kuse kwabakûlu; aya kufa ngeřele nangendlala; abe yintshwabulo nommangaliso nentshabiso nesingcikivo;

13 Ndibavelele abahleli ezweni le-Yiputa, njengoko ndayivelelayo i-Yerusalem ngeřele, nangendlala, nangendyikitya yokufa;

14 Kungabikô usindayo usalayo kumasalela akwa-Yuda, abeze kupâmbûkela kôna ezweni le-Yiputa, ukuba abuyele ezweni lakwa-Yuda, elo ayipàkamisele kulo imipêfumlo yawo ukubuyela kulo ukuba ahlale kôna; ngokuba abayi kubuya inge ngabasinda ngokubûngca.

15 Ampêndula u-Yeremiya onke amadoda, abesazi ukuba abafazi bawo baqûmisela tîxweni bambî, nabafazi bonke abebemi esikûngwini esikûlu, nabantu bonke ababehleli ezweni le-Yiputa, e-Patrosi, ngokutî,

16 Ilizwi-elo ulitêtîleyo kutî egameni lika-Yehova, asikukupûlapûla ngalo;

17 Inene, siya kuwenza onke amazwi, apûmileyo emlonyeni wetû okuqûmisela kukumkanikazi wezulu, simtûlulele iminikelo etûlulwayo, njengoko sakwenzayo, tîna nobawo, okumkani betû nabatêtêli betû, emizini yakwa-Yuda, nasezi-trateni ze-Yerusalem, sahluta-ke sisonka, salunga, asabona bubi.

18 Kususela koko sayekayo ukuqûmisela kukumkanikazi wezulu nokumtûlulela iminikelo etûlulwayo, saswela into zonke, sagqityelwa ngeřele nangendlala.

19 Xa-ke tîna bafazi siqûmiselayo kukumkanikazi wezulu, simtûlulelayo iminikelo etûlulwayo, simenzela izonkana zokuba eyilwa, simtûlulela iminikelo etûlulwayo, akakô-na kutî amadoda etû?

20 Watêtâ u-Yeremiya kubantu bonke, kumadoda nakubafazi, kubantu bonke abampêndulayo ngelolizwi, watî,

21 Ukuqûmisela oko enaqûmisela ngako emizini yakwa-Yuda nasezi-trateni ze-Yerusalem, nina noyihlo, okumkani benu nabatêtêli benu, nabantu belizwe, akakukûmbûlanga-na u-Yehova, akutânga-qatâna entliziyweni yakê oko?

22 U-Yehova akaba saba nako ukutwala, ngenxa yentlondi zenu ezimbî, ngenxa yamasikizi enawenzayo; lesuka ilizwe lenu labâfa, kwaba senkangala, langumangaliso nentshabiso, linge nammi, njengoko kunjalo namhla.

23 Ngenxa yokuqûmisela kwenu nangenxa yokôna kwenu ku-Yehova, analipûlapûla izwi lika-Yehova, anahambâ ngomyalelo wakê, nangemimiselo yakê, nangezinqîno zakê; ngenxa yoko bunihlele obobubi, njengoko kunjalo namhla.

24 Watî u-Yeremiya kubantu bonke, nakubafazi bonke, Yivani ilizwi lika-Yehova, nonke ma-Yuda asezweni le-Yiputa;

25 Utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tixo ka-Sirayeli, ukutî, Nina nabafazi benu niyatêtâ ngomlomo wenu, nangezandla zenu nikuzalise, nisitî, Masenze izibâmbâtîso zetû, esabâmbâtîsa ngazo, zokuqûmisela kukumkanikazi wezulu, simtûlulele iminikelo etûlulwayo:

26 Zimiseni nizimise kambê izibâmbâtîso zenu, zenzeni nizenze kambê izibâmbâtîso zenu. Ngako oko yivani ilizwi lika-Yehova, nonke ma-Yuda ahleliyo ezweni le-Yiputa; Yabonani, ndifunge igama lam elikûlu, utsho u-Yehova, inene, alikuba sabizwa igama lam ngumlomo kabani wakwa-Yuda ezweni lonke le-Yiputa esitî, Ihleli-nje i-Nkosi.

27 Yabonani, ndibapâpêla ukuba kube kubi, kungalungi, agqityelwe onke amadoda akwa-Yuda ezweni le-Yiputa ngeřele nangendlala, ade apêle;

28 Babuye ezweni le-Yiputa abasinde eřeleni, baye ezweni lakwa-Yuda bembalwa; alazi onke amasalela akwa-Yuda, azileyo ezweni le-Yiputa, ukuba apâmbûkele kulo, ukuba lilipîna ilizwi eliya kuma kôna, lelam, lelabo, kusinina.

29 Nangu-ke umqondiso kuni, utsho u-Yehova, wokuba ndiya kunivelela kulendawo, ukuze nazi ukuba amazwi am aya kuma animele ububi.

30 Utsho u-Yehova ukutî, Yabonani, ndiyamnikela u-Faro-hofra ukumkani we-Yiputa esandleni sentshaba zakê, esandleni sabafuna umpêfumlo wakê, njengoko ndamnikelayo u-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, utshaba lwakê, ebelufuna umpêfumlo wakê.

45 Ilizwi awalitêtâyo u-Yeremiya umprofeti ku-Baruki unyana ka-Neriya, ekuwabâleni kwakê encwadini lamazwi epûma emlonyeni ka-Yeremiya, ngo-

Digitized by Google

mnyaka wesine ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, lalisiti,

2 Utsho u-Yehova, u-Tixo ka-Sirayeli, kuwe, Baruki, ukuti,

3 Wena uti, Ati-ke mna! ngokuba u-Yehova wongeza isinqâla kumvandedwa wam; ndidiniwe kukuncwina kwam, andifumani kupûmla.

4 Yiti-ke kuye, Utsho u-Yehova ukuti, Yabona, into endiyakileyo ndiyayigungxula, into endiyityeleyo ndiyayinyotûla; ke lo ngumhlaba wonke.

5 Wena uzifunela izinto ezinkulu, mus' ukuzifuna; ngokuba uyabona, ndiyizisela ububi inyama yonke, utsho u-Yehova, ke ndikunika umpêfumlo wakô ube lixôba ezindaweni zonke oya kuya kuzo.

46 Into eyafikayo ku-Yeremiya umprofeti ililizwi lika-Yehova ngokusingisele kwintlanga,

2 Elinge-Yiputa, ngokusingisele kwimpi ka-Faro-neko ukumkani we-Yiputa, ebi semlanjeni ongum-Frati, e-Karkemishe, awayixabelayo u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli ngomnyaka wesine ka-Yoyakim unyana ka-Yosiya, ukumkani wakwa-Yuda, yayisiti,

3 Xôbani ingweletshetshe nekâka, yiyani kulwa.

4 Bopâni amahashe ezinqweleni zokulwa, kwelani nina bamahashe, zimiseni ninezigcina-ntloko; kâzimlisani izikâli, ninxibe ingubo zentsimbi.

5 Yini, ndibona nto-ni? baqîpuk' umbilini, babuya umva; amagofa abo aqôtywe, basaba intsabo kanye, bangabi sapêtûla; kunxungupâla ngenxa zonke, utsho u-Yehova.

6 Makangasabi onamendu, lingasindi igofa; ngase-Ntla, ngasemlanjeni ongum-Frati bakûbeke bawe.

7 Ngubanina lo unyuka njengom-Nayile, umanzi azamazama njengemilambô?

8 I-Yiputa iyenyuka njengom-Nayile, amanzi ayo ayazamazama njengemilambô, iti, Ndiya kunyuka, ndiya kuwugubungela mhlaba, ndiya kuyitshabalalisa imizi nabemi bayo.

9 Qaqatani, mahashe; nidlongozele zinqwelo zokulwa; makapûme amagofa, ama-Kushi nama-Puti apêtê ingweletshetshe, nama-Ludi apâtê atyede isapêta.

10 Lemini yeye-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, yimini yempindezelo yokupindezela kubabandezeli bakê; lidle lihlute irele, lisele lidikwe ligazi labo; ngokuba inombingelelo i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, ezweni lase-Ntla, emlanjeni ongum-Frati,

11 Nyuka uye e-Giliyadi, tâbatâ amafutâ aqôliweyo, nkazanandini, ntombi eyi-Yiputa; ufumana usandisa omatunga; akunakubotshwa.

12 Intlanga zikuvile ukucukucezwa kwakô, ukukâla kwakô kwazalisa umhlaba; ngokuba igofa likûbeka egofeni, omabini awa ndaweni-nye.

13 Ilizwi awalitêtâyo u-Yehova ku-Yeremiya um-profeti, ngokuza kuka-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, ukuba alixabele ilizwe le-Yiputa, lalisiti,

14 Xelani e-Yiputa, nivakalise e-Migidoli, nivakalise e-Nofu nase-Tapanesi; yitini, Misa, xôba; ngokuba irele liya kudla ngenxa zonke kuwe.

15 Yinina ukuba ziqwelwe imbâlasane zakô? azimanga, ngokuba u-Yehova uzingqulile.

16 Ukûbekisa abaninzi, ewe omnye uwela omnye; bati, Sukani, masibuyele ebantwini bakowetû, ezweni esazalelwa kulo, ngenxa yerele elidlavulayo.

17 Badanduluka kôna, bati, U-Faro ukumkani we-Yiputa utshabile; ulidlulisile ixesha elimisiweyo.

18 Ndihleli-nje, utsho ukumkani, ogama lakê lingu-Yehova wemikôsi, ukuti, Inene, uya kuza enjenge-Tabore pâkati kwentaba, enjenge-Karmele ngaselwandle.

19 Zenzele impahla zemfuduka, mmi. ntombi eyi-Yiputa; ngokuba i-Nofu iya kuba linxuwa, itshiswe, ingabi nammi.

20 I-Yiputa litôkazi elihle kakûlu; isibawu sase-Ntla siyeza, siyeza.

21 Kanjalo imikôsi yayo eqeshiweyo pâkati kwayo injengamatôle ase-stalini; inene, nayo leyo, ijikile, iyasaba kunye, ayimi; ngokuba uyifikele umhla wokusindeka kwayo, ixesha lokuvelelwa kwayo.

22 Isandi sayo sinjengokuhambâ kwenyoka; ngokuba bahambâ ngoburoti, bayifikele ngezixengxe njengabagauli bemiti.

23 Bagaula ihlati layo, utsho u-Yehova, ngokuba akugocagoceki oku; ngokuba ba-

Digitized by Google

ninzi ngapézu kwenkumbí, abanakubalwa.

24 Intombí eyi-Yiputa ihlazekile, inikelwe esandleni sabantu belase-Ntla.

25 Utí u-Yehova wemikósi, u-Tíxo ka-Sirayeli, Yabona, ndiyamvelela u-Amon wase-No, no-Faro ne-Yiputa, notíxo bayo nobukumkani bayo, kwa u-Faro nabakólose ngaye;

26 Ndibanikele esandleni sabafuna umpéfumlo wabo, esandleni sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, nasesandleni sabakónzi bakê; emveni koko imiwe njengokwemihla yamandulo, utsho u-Yehova.

27 Ke wena mus' ukoyika, sicaka sam Yakobi; ungaqípuk'umbilini, Sirayeli; ngokuba uyabona, ndiya kukusindisa kwakude, nembéwu yakó ezweni etínjelwe kulo, abuye u-Yakobi, azole, onwabe, angagubí.

28 Mus' ukoyika, wena sicaka sam Yakobi, utsho u-Yehova; ngokuba ndinawe; ngokuba ndiya kuzigqibela kupéle intlanga zonke endikugxotêle kuzo; ke wena andiyi kukugqibela kupéle; ndokutêtísa ngokusesikweni; andiyi kutí umsulwa.

47 Into eyafikayo ku-Yeremiya umprofeti ililizwi lika-Yehova ngokusingisele kuma-Filisti, engekayixabeli i-Gaza u-Faro, yayiyile,

2 Utsho u-Yehova ukutí, Yabona, kunyuka e-Ntla amanzi angumlambó ongumkúkúla, ontywilisela ilizwe nenzaliseko yalo, imizi nabemi bayo, sikále isintu, babómbóloze bonke abemi belizwe.

3 Ngenxa yesingqi sokunyatêla kwamanqina embálasane zamahashe akê, ngenxa yokugoqoza kwenqwelo zakê zokulwa, ngokuxokozela kwe-vili zakê, oyise abasabêki konyana ngokuwa kwezandla;

4 Ngenxa yemini eza kubúqa onke ama-Filisti, eza kunqumla e-Tire ne-Tsidon bonke abasale banceda; ngokuba u-Yehova uyawabúqa ama-Filisti, amasalela onxweme lwase-Kafetori.

5 Isezileni i-Gaza, itshabalele i-Ashkelon, amasalela entlili yabo. Kuninina uzicenta?

6 Au! ŕele lika-Yehova, kuninina ungapézi? ŕoxela esinxótyeni sakó; púmla, utí-cwaka.

7 Ungatí-nina ukupéza, u-Yehova ekuwisele umtétó-nje? e-Ashkelon naselunxwemeni lolwandle apó ukuyalele.

48 Ngokusingisele kwelakwa-Mowabi. Utsho u-Yehova wemikósi, u-Tíxo ka-Sirayeli, ukutí, Yeha i-Nebo, ngokuba ibúqiwe. Ihlazisiwe itínjiwe i-Kiriyatayim; ihlazekile ipípuk' umbilini ingxonde-leyo.

2 Iqáyiya lakwa-Mowabi alisekó; e-Heshbon bacebe ububi ngaye, batí, Yizani simnqumle angabi luhlanga. Nawe, Mademena, uya kudaka; ŕele liya kukulandela.

3 Púlapúlani! ukukála e-Horonayim, yimbúqu nokwapúka okukúlu!

4 U-Mowabi wapúkile, imbédlenge zake zivakala zikála;

5 Ngokuba ekunyukeni eqineni lase-Luhoti, baya kulila, balile; ngokuba ekuhleni e-Horonayim ababandezelwa baya kuvakala bekáliswa kukwapúla.

6 Sabani, sizani imipéfumlo yenu, yibani njengozé entlango.

7 Ngenx' enokuba ukólose ngezenzo zakó nangobuncwane bakó, nawe uya kutínjwa, apúme afuduswe u-Kemoshe, abenzeleleli bakê nabatétêli bakê kunye;

8 Afike umbúqi emizini yonke, kungasindi mzi, idake intili, litshabalale ihewu, njengoko watshoyo u-Yehova.

9 Mnikeni amapíko u-Mowabi; ngokuba wopúma ebaleka, imizí yakê ibe ngamanxuwa, ingemiwa.

10 Makaqalekiswe owenza umsebenzi ka-Yehova ngokudangala, aqalekiswe onqanda ŕele lakê egazini.

11 Wonwaba u-Mowabi kwasebuncinaneni bakê, we-tywa pézu kwentsipo zakê, akakútshelwanga kwesinye isitya, akahambánga efuduswa, ngenxa yoko isongo sakê sihleli kuye, nevumbá lakê aliguqukanga.

12 Ngako oko yabonani, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kutúmela abatúluli kuye, bamtúlule, bazikúpêle izitya zakê, bayiqêkeze imipánda yakê.

13 Adane u-Mowabi ngu-Kemoshe, njengoko yadanayo indlu ka-Sirayeli yi-Beteli inkoloseko yayo.

14 Ningatí-nina ukutí, Singamagoŕa, singamadoda anoburoti emfazweni?

15 Uyabúqwa u-Mowabi, imizi yakê iyenyukwa, amadodana akê anyuliweyo atóbela ekusikweni, utsho u-Kumkani ogama lakê lingu-Yehova wemikósi.

16 Kusondele kuza kufika ukusindeka kuka-Mowabi, ububi bakê buyanxáma kakúlu.

Digitized by Google

17 Hlunguzelani intloko ngaye, nonke nina ningenxa zonke kuye, nonke nina nilaziyo igama lakè; yitini, Yō! itè-nina ukwapûka intonga yonamandla, ulutî lokuhombà.

18 Yihla eluzukweni, uhlale pântsi kwelinenxano, mmi, ntombî yase-Dibon; ngokuba umbûqi ka-Mowabi unyuke weza kuwe, uzonakalisile inqaba zakò.

19 Yima ngasendleleni ubonisele, mmi wase-Arohere; buza kwindoda esabileyo nakwintokazi esindileyo, yitî, Kukò ntonina?

20 U-Mowabi uhlazekile, ngokuba iqîpuk' umbilini; bòmbòlozani nikàle; xelani e-Arnon, nitî, Ubûqiwe u-Mowabi.

21 Umgwebo ulifikele ilizwe lehewu, i-Holon ne-Yatsa ne-Mefahati;

22 Ne-Dibon, ne-Nebo, ne-Bete-dibelatayim;

23 Ne-Kiriyatayim, ne-Bete-gamuli, ne-Bete-mehon;

24 Ne-Keriyoti, ne-Botsera, nemizi yonke yelizwe lakwa-Mowabi, ekude kwa nekufupî.

25 Luxakaxiwe upòndo luka-Mowabi, ingalo yakè yapûlwe, utsho u-Yehova.

26 Mnxiliseni; ngokuba ezikûlisile ku-Yehova, akàhleleke u-Mowabi emhlanzweni wakè, abe yintlekisa naye.

27 Wayenge yintlekisa-na kuwe u-Sirayeli? wayefunyenwe pàkatî kwamasela kusinina? ukuba uhlunguzele intloko, xa sukuba ubutètà ngaye?

28 Shiyani imizi, nihlale ezingxondoleni, bemi bakwa-Mowabi, nibe njengehobe elakèla pèsheya eludinini lomwonyo.

29 Silivile iratshi lika-Mowabi; asikukò nokuba liratshi; ukuzidla kwakè, iratshi lakè, ukuratsha kwakè, nokupàkama kwentliziyo yakè.

30 Mna ndiyakwazi ukupûpûma komsindo wakè, nokupololoza kwakè into engeyiyo, utsho u-Yehova; benza into engekòyo.

31 Ngako oko ndiyabòmbòloza ngenxa ka-Mowabi, ndikàle ngenxa ka-Mowabi wonke epèla; bayancwina ngenxa yamadoda ase-Kirheres.

32 Ngapèzu kokulila kwe-Yazere ndiyakulilela wena, m-diliya wase-Sibema, omasebe awela ulwandle, ad'aya kufika elwandle lwase-Yazere; ekuvunweni kweziqàmo nasekuvunweni kwe-diliya zakò kugalelèke umbûqi.

33 Isukile imivuyo nemigcobo entsimini ecùmayo, naselizweni lakwa-Mowabi; ndiyipèlisile i-wayini emkòmbèni; abayi kuxovula benamayéyéyé; amayéyéyé abo aya kuba ngamayéyéyé aluto.

34 Ukukàla e-Heshbon, kuse e-Elale, kuse e-Yahazi, balikûpile izwi labo, kutàbatèle e-Tsohare kuse e-Horonayim, nase-Egelati yesitàtû; ngokuba kwa namanzi ase-Nimrim aya kutî-qoko;

35 Ndimpèlise kwa-Mowabi, utsho u-Yehova, onyuka isigànga ukuba aqùmisele kotixo bakè.

36 Ngako oko intliziyo yam iyalila njengogwali ngenxa ka-Mowabi; intliziyo yam iyalila njengogwali ngenxa yamadoda ase-Kirheres; ngako oko intwana abeleyizuzile itshabalele.

37 Kuba zonke intloko zicètyiwe, zonke indevu ziguyiwe; ezandleni zonke zintlanga, ezinqeni zingubo ezifwexayo.

38 Pèzu kwezindlu zonke zakwa-Mowabi nasezi-trateni zakè kumbàmbàzela kodwa; ngokuba ndimapûle u-Mowabi njengesitya esingananziweyo, utsho u-Yehova.

39 Bayabòmbòloza, hayi ukuqîpuka kwakè umbilini! Hayi ukunikela kuka-Mowabi ikòsi kudana! Uyintlekisa, uyoyikwa ngabo bonke abangenxa zonke kuye.

40 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Uyabona, *utshaba*, luyatshwebeleza njengokòzi lolule amapîko alo pèzu ko-Mowabi.

41 Itînjiwe i-Keriyoti, zihlutwe imbòniselo; ngalomini intliziyo zamagofa akwa-Mowabi zibe njengentliziyo yomfazi onenimbà;

42 Atshabalale u-Mowabi, angabi ngabantu, ngokuba ebezikûlisile ku-Yehova.

43 Ufikelwe lunkwantyo, nomgongxo, nesibatà, mmi wakwa-Mowabi, utsho u-Yehova.

44 Osaba unkwantyo uya kweyela emgongxweni; opûma emgongxweni uya kubanjiswa sibatà; ngokuba ndiya kumzisela yena u-Mowabi umnyaka wokuvelelwa kwakè, utsho u-Yehova.

45 Pàntsi komtûnzi we-Heshbon kuya kuma abasabi abange namandla; ngokuba kuya kupûma umlilo e-Heshbon, nelangatye pàkatî kwa-Sihon, udle ummondla wakwa-Mowabi nokukayi lwabengxolo.

46 Yeha wena Mowabi! batshabalele abantu baka-Kemoshe, ngokuba onyana

Digitized by Google

bakô baya kutâtyatwa betînjiwe, nentombî zakô zisiwe ekutînjweni.

47 Ke ndiya kukubuyisa ukutînjwa kuka-Mowabi ekupêleni kwemihla, utsho u-Yehova. Uze wafik'apâ umgwebo wakwa-Mowabi.

49 Ngokusingisele konyana baka-Amon, utsho u-Yehova ukutî, U-Sirayeli akananyana-na, akanandla-lifa-na? Yinina, ukuba ukumkani wabo amdle ilifa u-Gadi, abantu babo beme emizini yakê?

2 Ngako oko yabonani, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kuhlaba umkôsi wemfazwe kwi-Raba yonyana baka-Amon, ibe ngumwewe wenxuwa, amagxamesi ayo atshiswe ngomlilo, u-Sirayeli abadle ilifa ababemdle ilifa, utsho u-Yehova.

3 Bômbôloza, Heshbon, ngokuba ibûqiwe i-Ayi; kâlani, magxamesi ase-Raba, bînqani ezifwexayo; mbâmbâzelani niququzele kunye ezintangweni; ngokuba ukumkani wayo uya kutînjwa, kunye nabenzeleleli bakê nabatêtêli bakê.

4 Uqâyisela-nina ngazo intili? Intili yakô icûmile, ntombi elipâmbâ, eyakôlosayo ngobuncwane bayo, isitî, Ndiya kuzelwa ngubanina?

5 Yabona, ndiya kukuzisela unkwantyo, itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, lupûma kwabangenxa zonke kuwe; nigxotwe, elowo angabêki nokubêka, kungabikô ungabutâ abapâlapâlayo.

6 Emveni koko ndiya kukubuyisa ukutînjwa konyana baka-Amon, utsho u-Yehova.

7 Ngokusingisele ku-Edom, utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Akusekô bulumkona kwa-Teman? Lipêlile-na icebo kwingqondi? bupâlele-na ubulumko bazo?

8 Sabani, jikani, hlalani enkolontyweni, bemi bakwa-Dedan; ngokuba ukusindeka kwakê u-Esau ndimzisele, ixesha lokumvelela kwam.

9 Ukuba abavuni be-diliya bakufikele, abayi kushiya lubîkico; ukuba amasela eza ebusuku, aya konakalisa ade anele.

10 Ngokuba mna ndimhlubile u-Esau, ndizityilile indawo zakê ezisitêleyo, angabi nako ukuzimela; imbêwu yakê iya kubûqwa, abazalwana bakê nabamelwane bakê abakô.

11 Shiya inkedama zakô; ndiya kuzipîlisa; bakôlose ngam abahlolokazi bakô.

12 Ngokuba utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ababenge nalungelo lakuyisela indebe, inene baya kuyisela; wena-ke ungoya kuba msulwa ube msulwa-na? Akuyi kuba msulwa, ngokuba inene uya kusela.

13 Ngokuba ndizifungile mna, utsho u-Yehova, ndatî, I-Botsera iya kuba ngummangaliso, nesingcikivo, nenxuwa, nentshabiso; nemizi yayo yonke ibe ngamanxuwa angunapâkade.

14 Ndive udaba lupûma ku-Yehova, kutûnywe isigidimi ezintlangeni sokuti, Zihlanganiseni nimfikele, nisuke nilwe.

15 Ngokuba uyabona, ndikwenze wamncinane ezintlangeni, wadeleka pâkatî kwezizwe.

16 Ukududuzelisa kwakô kukulukuhlile, ukukûkûmala kwentliziyo yakô, wena uhleli emfanteni zengxondofa, wena ubambê intlomo yenduli. Nokuba utê wayakêla pêzulu njengokôzi indlu yakô, ndokutôba apô, utsho u-Yehova;

17 Abe ngummangaliso u-Edom; bonke abadlula kuye baya kumangaliswa, benze umsondlo ngenxa yokubetwa kwakê konke.

18 Njengoko kwaba njalo ekubûkuqekeni kwe-Sodom ne-Gomora nemimelwane yayo, utsho u-Yehova, akuyi kuhlala mntu kôna, akuyi kupâmbûkela nyana ka-Adam kôna.

19 Yabona, utshaba luya kunyuka njengengonyama epûma ekweneni kwe-Yordan, luye ekâya eliyingxondofa; ngokuba ndiya kumgxotâ ngepânyazo kulo, osukuba enyulwe ndimenzele umveleli; ngokuba ngubanina onjengam, ngubanina oya kundimema? ngubanina lomalûsi uya kuma pâmbî kwam?

20 Ngako oko yivani icebo lika-Yehova, alicebileyo ngo-Edom, nengcinga zakê, azicingileyo ngabemi bakwa-Teman; inene, baya kuzifwiqiliza ezincinane zomhlambî; inene, liya kumangaliswa zizo ifiwa lazo.

21 Umhlaba uyanyikima sisitônga sokulwa kwabo; isandi sokukâla *kwabo* sivakala e-Lwandle olubomvu.

22 Yabona, *utshaba* luyenyuka njengokôzi, lutshwebeleze, lolule amapîko alo pêzu kwe-Botsera; intliziyo yamagofa akwa-Edom ngalomini iya kuba njengentliziyo yomfazi onenimbâ.

Digitized by Google

23 Ngokusingisele kwi-Damasko. Ihlazekile i-Hamati ne-Arpadi; ngokuba kuviwe indaba ezimbî; bancamile; njengaselwandle banesitûkutêzi, abanakô ukuzola.

24 I-Damasko itê-dakumbâ, ijikele yasaba, ifikelwe kukwetûka, ibanjwe yimbândezelo nazinimbâ njengozalayo.

25 Hayi ukushiywa komzi wendumiso, umzi wemihlali yam!

26 Ngako oko aya kuwa amadodana ayo ezi-trateni zawo, amadoda onke okulwa atî-shwaka ngalomini, utsho u-Yehova wemikôsi;

27 Ndipêmbê umlilo eludongeni lwe-Damasko, udle ingxande ezinde zika-Benhadade.

28 Ngokusingisele kuma-Kedare nakwizikumkani zase-Hatsore, awazibulalayo u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli.

Utsho u-Yehova ukutî, Suk'umani, nyukani niye kuma-Kedare, nibabûqe onyana basempumalanga.

29 In-tente zabo nemihlambî yabo boyitâbatâ; namalengalenga abo, nempahla zabo zonke, nen-kamela zabo bozisusa zibe zezabo; bamemeze kubo, batî, Kunxungupâla ngenxa zonke.

30 Sabani, balekani kakûlu, hlalani enkolontyweni, bemi base-Hatsore, utsho u-Yehova; ngokuba u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli ecebe icebo ngani, wacinga ingcinga ngani.

31 Suk'umani, nyukani niye kuhlanga olucûlumacîleyo, oluhleli ngokonwaba, utsho u-Yehova; olunge nazingcango namivalo, oluhleli lodwa.

32 In-kamela zabo mazipângwe, ingxokolo yemfuyo yabo ibe ngamaxôba, ndibacîtâcîtê kwimimoya yonke onqutul'inwele, ndibazisele ukusindeka, kupûma kumacala onke, utsho u-Yehova;

33 I-Hatsore ibe sikûndla sempungutye, kube senkangala kude kuse epâkadeni. Akuyi kuhlala bani kôna, kungapâmbûkeli nyana ka-Adam kôna.

34 Into eyafikayo ku-Yeremiya um-profeti ililizwi lika-Yehova ngokusingisele kwelakwa-Elam, ekuqaleni kobukumkani buka-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda, yayisitî,

35 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Yabonani, ndiyasapûla isapêtâ sakwa-Elam, intlahlela yobugofa babo;

36 Ndilizisele elakwa-Elam imimoya emine epûma ezipêlweni ezine zezulu, ndibacîtâcîtê kulomimoya yonke, kungabikô luhlanga bangayi kufika kulo abazindlodlo zakwa-Elam;

37 Ndimqîpukise umbilini u-Elam pâmbî kwentshaba zakê, napâmbî kwabafuna imipêfumlo yabo; ndibazisele ububi, ukuvutâ komsindo wam, utsho u-Yehova; nditûme emva kwabo ifele, ndide ndibagqibe;

38 Ndimise i-trone yam kwa-Elam, ndimtshabalalise kôna ukumkani nabatêteli, utsho u-Yehova.

39 Kutî ekupêleni kwemihla ndikubuyise ukutînjwa kuka-Elam, utsho u-Yehova.

50 Ilizwi awalitêtâyo u-Yehova ngokusingisele kwi-Babeli, ngokusingisele kwilizwe lama-Kaledi ngo-Yeremiya um-profeti, lalisitî,

2 Xelani ezintlangeni, nivakalise, nipâkamise i-banile; vakalisani, musan' ukufihla; yitîni, Itînjiwe i-Babeli, uhlazekile u-Bele, uqîpuk' umbilini u-Merodaki, zihlazekile izitîxo zabo, ziqîpuk' umbilini izigodo zabo.

3 Ngokuba kunyuke kweza kubo uhlanga lwase-Ntla, oluya kwenza ilizwe labo kube senkangala, lingabi nammi, kutâbatêle emntwini kuse ezinkomeni, kubalekwe kumkiwe.

4 Ngalomihla nangeloxesha, utsho u-Yehova, baya kuza onyana baka-Sirayeli kunye nonyana baka-Yuda, behambê belila, baye bafune u-Yehova u-Tixo wabo.

5 Baya kubuza i-Tsiyon, bebêke kôna, besitî, Yizani nitêlele ku-Yehova ngomnqopîso ongunapâkade ongayi kulityalwa.

6 Abantu bam baba ngumhlambî wegusha ezilahlekileyo; abalûsi babo babandwendwisela ezintabeni ezipâmbânisayo, behambâ besuka entabeni, baye endulini, bayilibale indawo yabo yokubutâ kwabo.

7 Bonke ababafumanayo bababûbisa; ababandezeli babo batî, Asinatyala ngetûba lokubâ bonile ku-Yehova, ifiwa lobulungisa, itêmbâ loyise, u-Yehova.

8 Balekani, nipûme pâkatî kwe-Babeli,

Digitized by Google

mabapûme ezweni lama-Kaledi, babe njengenkunzi ze-bôkwe ezikôkela umhlambî.
9 Ngokuba yabonani, ndixôxâ ndinyuse ndise e-Babeli isikûngu sentlanga ezinkulu zipûma ezweni lase-Ntla, ziyakêle uluhlu; iya kutînjwa apo. Intolo zazo zibe njengezegofa eliligcisa elingabuyi lilambâtâ;
10 Libe lixôba elama-Kaledi; bonke abalitîmbâyo baya kuhluta, utsho u-Yehova.
11 Nakuba nivuya njalo, nakuba nidlamkile, bapângi belifa lam, nakuba nidloba njengetôkazi elibûlayo, nilila njengembalasane zamahashe;
12 Uya kudana kakûlu unyoko; uya kuba nentloni onizalayo. Yabonani, olokugqibela ezintlangeni luya kuba yintlango, umqwebedu, inqantosi.
13 Ngenxa yobufalafume buka-Yehova ayiyi kumiwa; kuya kuba senkangala kuyo yonke ipêla. Bonke abadlulayo e-Babeli baya kumangaliswa, benze umsondlo ngenxa yokubetwa kwayo konke.
14 Yakêleni uluhlu i-Babeli ngenxa zonke, nonke batyedi besapêta; tolani kuyo, ningashiyi lutolo; ngokuba yonile ku-Yehova.
15 Dumani ngayo ngenxa zonke; izinikele; luwile uqoqo lwayo, zidilikile indonga zayo; ngokuba yimpindezelo ka-Yehova. Pîndezelani kuyo; njengokwenza kwayo yenzani kuyo.
16 Nqumlani umhlwayeli e-Babeli, nopêtê ifengqa ngexesha lokuvuna. Ngenxa yefele elidlavulayo elowo ubêka ebantwini bakowabo, elowo usabela ezweni lakowabo.

17 Yigusha elusali u-Sirayeli; ebêjetwe zingonyama; ngukumkani wakwa-Asuri owaqala wamdla; ngoku ukugqibela umqôbi wamatâmbô akê ngu-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli.
18 Ngako oko, utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Yabonani, ndiyamvelela ukumkani wase-Babeli nelizwe lakê, njengoko ndamvelelayo ukumkani wakwa-Asuri;
19 Ndimbuyisele u-Sirayeli eñiweni lakê, adle e-Karmele nase-Bashan, uhlute umpêfumlo wakê ezintabeni zakwa-Efrayim nezase-Giliyadi.
20 Ngalomihla nangeloxesha, utsho u-Yehova, buya kufunwa ubugwenxa buka-Sirayeli, bungabikô; nezono zika-Yuda, zingafumaneki; ngokuba ndiya kubaxolela endibasalisileyo.

21 Ilizwe lakwa-Nkani-ezipîndwe-kabini, nyuka uye kulo kanye, kubemi belakwa-Kohlwaywa; bâfisa usingele pântsi emva kwabo, utsho u-Yehova; wenze ngako konke endakuwisela umtêtô ngako.
22 Isitônga semfazwe siselizweni, nokwapûka okukûlu.
23 Hayi ukuxakaxwa, ukwapûlwa kwesando somhlaba wonke! Hayi ukwenziwa kwe-Babeli ummangaliso pâkatî kwentlanga!
24 Ndikutîyele, wabanjiswa nokubanjiswa, Babeli, ungazi-ke wena; ufunyenwe, watînjwa nokutînjwa, ngokuba ulwe no-Yehova.
25 U-Yehova uyivulile indlu yentonga zakê, wazikûpâ impahla zokubâvuma kwakê; ngokuba inomsebenzi i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi, ezweni lama-Kaledi.
26 Yizani kulo, nivale ngenxa zonke; vulani amaqonga alo; lifumbêni ngokwezidimbîlili, nilisingele pântsi, kungasali nento kulo.
27 Hlabani zonke inkunzi zalo ezintsha zenkomo, mazitôtyelwe ekuxêlweni. Yeha-ke bona, ngokuba iyeza imini yabo, ixesha lokuvelelwa kwabo.
28 Pûlapûlani! nabo abasabayo, abasindayo ezweni lase-Babeli, ukuba baxele e-Tsiyon impindezelo ka-Yehova u-Tîxo wetû, impindezelo ye-tempile yakê.
29 Bahlabeleni umkôsi abatoli, beze e-Babeli, nonke batyedi besapêta; yingqingeni ngenxa zonke. Makungabikô usindayo; yivuzeni ngokomsebenzi wayo; ngako konke eyakwenzayo, yenzani ngako kuyo; ngokuba ikûkûmele ku-Yehova, k-Oyingcwele ka-Sirayeli.
30 Ngako oko aya kuwa ezi-trateni zayo amadodana ayo, atî-shwaka ngalomini onke amadoda ayo okulwa, utsho u-Yehova.
31 Yabona, ndikucâsile, wena ukûkûmeleyo, itsho i-Nkosi, u-Yehova wemikôsi; ngokuba ifikile imini yakô, ixesha lokukuvelela kwam;
32 Akûbeke okûkûmeleyo awe, kungabikô umvusayo; ndipêmbê umlilo emizini yakê, utshe ngenxa zonke kuye.

33 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî,

Digitized by Google

Babecudiswa onyana baka-Sirayeli nonyana baka-Yuda kunye; bonke ababatîmbâyo bagcinisa ukubabambâ, abavuma ukubandlulula.

34 Umkûluli wabo obamiselayo womelele, ugama lakê lingu-Yehova wemikôsi; uya kubambâna abambâne nobambâna nabo, ukuze awupûmze umhlaba, agungqise abemi base-Babeli.

35 Ifele *maliwa*fikele ama-Kaledi, nabemi base-Babeli, nabatêtêli bayo, neziluniko zayo, utsho u-Yehova.

36 Ifele malibafikele abapololozi bento engeyiyo, babe zimatâne; ifele *maliwa*fikele amagoŕa, aqîpuk' umbilini.

37 Ifele *maliwa*fikele amahashe ayo, nenqwelo zayo zokulwa, nomxukuxela wonke opâkatî kwayo, babe ngabafazi; ifele *malibu*fikele ubuncwane bayo, ukuba bupângwe.

38 Ukubalela *maku*wafikele amanzi ayo, ukuba atshe; ngokuba lilizwe lemifanekiso eqingqiweyo, bazigezise ngezinto ezitûsayo.

39 Ngako oko kuya kuhlala kôna amaramncwa omqwebedu nempungutye, kuhlale inciniba kôna, lingabi semiwa napâkade, lingabi sahlalwa izizukulwana ngezizukulwana;

40 Njengoko wayibûkuqa ngako u-Tixo i-Sodom ne-Gomora, nemimelwane yayo, utsho u-Yehova, akuyi kuhlala bani kôna, akuyi kupâmbûkela nyana ka-Adam kôna.

41 Yabonani, kuza abantu, bevela e-Ntla, uhlanga-ke olukûlu, nokumkani abaninzi bayaxôxwa bevela esinqeni somhlaba;

42 Bapêtê isapêta nenculâ, bazijoŕa abanamfesane; izwi labo liguguma njengolwandle, bakwêle emahasheni, bekuxôbele njengendoda yokulwa, ntombî evi-Babeli.

43 Uve indaba zabo ukumkani wase-Babeli, zasuka zawa izandla zakê; imbândezelo imbambîle, uyazibijabija njengozalayo.

44 Yabonani, *utshaba* luya kunyuka njengengonyama, lupûme ekweneni kwe-Yordan, luye ekâya eliyingxondoŕa; ngokuba ndiya kumgxotâ ngepânyazo kulo, osukuba enyulwe ndimenzele umveleli walo; ngokuba ngubanina onjengam? ngubanina oya kundimema? ngubanina lomalûsi uya kuma pâmbî kwam?

45 Ngako oko yivani icebo lika-Yehova, alicebileyo nge-Babelî; nengcinga zakê, azicingileyo ngelizwe lama-Kaledi; esiti, Inene, baya kuzifwiqiliza ezincinane zomhlambî; inene, liya kumangaliswa zizo ifiwa lazo.

46 Ngenxa yelizwi elitî, Ibanjiwe i-Babeli, uyanyikima umhlaba, kuvakala isikâlo ezintlangeni.

51 Utsho u-Yehova ukutî, Yabonani, ndixôxêla i-Babeli nabahleli ngapâkatî kwabasukela pêzulu kum umoya womonakalisi,

2 Nditûmele e-Babeli abasemzini, abayakuyela; balitî-qongqololo ilizwe layo: ngokuba boyifikela ngenxa zonke ngemini yobubi.

3 Umtyedi wesapêta makagobele kogobayo, nakozinyusayo enengubo yentsimbi. ningawayeki amadodana ayo; singelani pântsi wonke umkôsi wayo;

4 Bawe ababuleweyo ezweni lama-Kaledi, nabahlatywe amahlanza ezi-trateni zayo.

5 Ngokuba u-Sirayeli, kwa no-Yuda, akashiywanga wangumhlolokazi ngu-Tixo wakê, ngu-Yehova wemikôsi; kuba ilizwe labo lizele lityala ngenxa y-Oyingcwele ka-Sirayeli.

6 Sabani nipûme e-Babeli, nisize elowo umpêfumlo wakê; maningadaki ngenxa yobugwenxa bayo; ngokuba eli lixesha lempindezelo ku-Yehova; uya kubuyekeza kuyo kwa impatô *yayo*.

7 I-Babeli ibi yindebe ye-golide esandleni sika-Yehova, iwunxilisa wonke umhlaba; zasela intlanga e-wayinini yayo; ngako oko ziyageza intlanga.

8 Iwile i-Babeli ngesiqupê, yapûka; bimbôlozani ngenxa yayo; intlungu yayo yitâbatêleni amafuta aqôliweyo, mhlawumbi ingapôliswa.

9 *Batî*, Sibangayinyanga i-Babeli, ayipîli; yishiyeni, sihambê siye elowo ezweni lakowabo; ngokuba ityala layo lifike ezulwini, lipâkamele esibâkabâkeni.

10 U-Yehova ubuvelisile ubulungisa betû; yizani sibalise e-Tsiyon isenzo sika-Yehova u-Tixo wetû.

11 Kazimlisani intolo, qubulani amakâka; u-Yehova uxôxê umoya wokumkanyabama-Medi; ngokuba umnqangiyelo wakê ukwi-Babeli, ukuba ayonakalise; ngokuba yimpindezelo ka-Yehova, yimpindezelo ye-tempile yakê.

12 Zipâkamiseleni i-banile indonga zase-

Digitized by Google

Babeli, qinisani ukulinda, misani abalindi, lungisani imilalela; ngokuba njengoko u-Yehova wanqangiyelayo, ukwenzile awakutêtâyo ngabemi base-Babeli.

13 Wena uhleliyo pêzu kwamanzi amaninzi, ubuncwane bakô buninzi, kufikile ukupêla kwakô, isilinganiselo senzuzo yakô embî.

14 U-Yehova wemikôsi ufunge umpêfumlo wakê esitî, Noko ndikuzalisileyo ngabantu ngatî zinkumbî ezinqunqutayo, kuya kususelwa ngawe ukwenziwa amayéyéyé.

15 Ngulowenza umhlaba ngamandla akê, ngulozinzisa elimiweyo ngobulumko bakê, waneka amazulu ngengqondo yakê;

16 Kwakubon'ukuba kukô isitônga sokwenza kwakê ingxolo yamanzi emazulwini, unyusa amafu esipêlweni somhlaba, imvula, uyenzela imibane, afole umoya ezi-toreni zakê.

17 Uba sityakala wonke umntu enge nakwazi, udaniswa wonke umnyibilikisi wegolide ngenxa yomfanekiso oqingqiweyo; ngokuba umfanekiso wakê otyidiweyo bubuxoki, awunamoya.

18 Zingamampunge ezonto, sisenzo sokugxekwa; ngexesha lokuvelelwa kwazo ziya kutshabalala.

19 Akanjalo u-Sahlulelo sika-Yakobi; ngokuba ngumbumbî wento zonke yena, nowesizwe selifa lakê yena; ngu-Yehova wemikôsi igama lakê.

20 Wena usisando sam, uyimpahla yokulwa; ndihlekeze ngawe intlanga, ndizonakalise ngawe izikumkani;

21 Ndihlekeze ngawe ihashe nomkweli walo; ndihlekeze inqwelo yokulwa nomkweli wayo;

22 Ndihlekeze ngawe indoda nomfazi, ndihlekeze ngawe indoda enkulu nomfana, ndihlekeze ngawe amadodana nomtînjana;

23 Ndihlekeze ngawe umalûsi nomhlambî wakê; ndihlekeze ngawe umlimi nespan zakê; ndihlekeze ngawe amabambâ ne-fuluneli;

24 Ndibuyekeze kwi-Babeli nakubemi bonke belama-Kaledi bonke ububi babo, ababenze kwi-Tsiyon emehlweni enu, utsho u-Yehova.

25 Yabona, ndikucâsile, ntaba yokonakalisa, utsho u-Yehova, ewonakalisileyo wonke umhlaba; ndolule isandla sam pêzu kwakô, ndikuqengqe uhle ezingxondofeni, ndikwenze intaba etshisiweyo;

26 Kungatâtyatwa litye lembômbô kuwe nalitye leziseko, ke uya kwenziwa kube senkangala ngonapâkade, utsho u-Yehova.

27 Pâkamisani i-banile elizweni, vutêlani isigodlo ezintlangeni, zingcwaliseni intlanga kuyo, zihlabeleni umkôsi zize kuyo izikumkani ze-Ararati ne-Mini no-Ashkenazi; yalelani kuyo abatêtêli; nyusani amahashe, eze njengenkumbî ezinqunqutayo, ezibetâ ube namanwele.

28 Zingcwaliseni intlanga kuyo, okumkani bama-Medi, namabambâ awo, nefuluneli zawo zonke, nelizwe lonke lolaulo lwawo.

29 Umhlaba uyanyikima, uyazibijabija; ngokuba zenzeka kwi-Babeli ingcinga zika-Yehova zokulenza ilizwe le-Babeli kube senkangala, lingamiwa.

30 Amagofa ase-Babeli ayekile ukulwa, ahleli ezimbôniselweni; ubugofa bawo butê-qoko, asuka aba ngabafazi; iminquba yayo ifakwe isikûni, yapûkile imivalo yayo.

31 Isigidimi siyagidima, siqubisana nesigidimi, umbiki uqubisana nombiki, abike kukumkani wase-Babeli ukuba umzi wakô utînjwe kwapêla.

32 Amazibuko avingciwe, amadike atshe ngumlilo, amadoda okulwa akwanqisiwe.

33 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, ukutî, Intombî eyi-Babeli injengesandâ ngexesha lokugangatwa kwaso; kusaya kuba ngumzuzwana, lifike ixesha lokuvuna kuyo.

34 Wasibûbîsa tîna, wasincinitâ u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, wasibeka sasisitya esi-zé, wasiginya njengengwenya, wahlutisa isisu sakê ngokudla kwetû okumnandi, wasigxotâ.

35 Ukugonyamelwa kwam nenyama yam makube pêzu kwe-Babeli, makatsho ummi wase-Tsiyon; igazi lam malibe pêzu kwabemi belama-Kaledi, mayitsho i-Yerusalem.

36 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndiyalitêtâ ityala lakô, ndipîndezele impindezelo yakô, ndilutshise ulwandle lwayo, ndilomise itênde layo;

37 I-Babeli ibe ngumwewe, isikûndla sempungutye, ummangaliso nomsondlo, ingabi nammi.

Digitized by Google

38 Bonke bepêla bangabâfula njengengonyama ezintsha, bangavungama njengamatôle engonyamakazi.

39 Kanti-ke ebushushwini babo ndiya kubenzela umgidi wabo, ndibanxilise, ukuze badlamke, balale ubutôngo obungunapâkade, bangavuki, utsho u-Yehova.

40 Ndiya kubatôbela ekuxêlweni njengamatâkane, njengenkunzi zegusha neze-bôkwe.

41 Hayi ukutînjwa kwe-Sheshaki, ukubanjwa kweqâyiya lomhlaba wonke! Hayi ukwenziwa ummangaliso kwa-Babeli pâkatî kwentlanga!

42 Ulwandle lunyukile lwayizela i-Babeli; igutyungelwe kuguguma kwamaza alo.

43 Imizi yayo yaba ngamanxuwa, yaba lilizwe lomqwebedu nenqantosi, lilizwe elingamiwa mntu, ekungadluli nyana ka-Adam kulo;

44 Ndimvelele u-Bele e-Babeli, ndikufole emlonyeni wakê akuginyileyo; zingabi sasinga kuye intlanga, nodonga lwe-Babeli luya kuwa.

45 Pûmani pâkatî kwayo, bantu bam; sizani elowo umpêfumlo wakê ngenxa yokuvutâ komsindo ka-Yehova;

46 Hleze itâmbê intliziyo yenu, noyike indaba ezivakalayo ezweni; zakuza nonyaka indaba-ezo, emveni koko ngonmye umnyaka kuze indaba-ezo, kuze ugonyamelo ezweni, umlauli ebambêne nomlauli.

47 Ngako oko uyabona, kuza imihla endiya kuyivelela imifanekiso eqingqiweyo yase-Babeli, libâfe ilizwe layo lonke, bawe pâkatî kwayo ababuleweyo kuyo;

48 Limemelele ngenxa ye-Babeli izulu nomhlaba nento yonke ekôna; ngokuba ababûqi bepûme e-Ntla, beza kuyo, utsho u-Yehova.

49 Njengokuba i-Babeli yapîkel'ukuwisa ababuleweyo bakwa-Sirayeli, ngokunjalo baya kuwa ngenxa ye-Babeli ababuleweyo bomhlaba wonke.

50 Nina nisindileyo ereleni, hambâni, musan' ukuma. Mkûmbûleni u-Yehova nisekude, itî-qatâ ezintliziyweni zenu i-Yerusalem.

51 Sidanile, ngokuba sive isingcikivo; ihlazo lagubungela ubuso betû; ngokuba abasemzini beyingene ingcwele zendlu ka-Yehova.

52 Ngako oko yabonani, kuza imihla, utsho u-Yehova, endiya kuyivelela imifanekiso eqingqiweyo elizweni layo, bancwine abahlatyiweyo.

53 Nokuba i-Babeli itê yenyuka yaya ezulwini, nokuba itê yayinqabisa indawo epêzulu, inqaba yayo, ababûqi bayo baya kupûma kum, utsho u-Yehova.

54 Pûlapûlani! nako ukukâla kupûma e-Babeli, nomapûlo omkûlu upûma ezweni lama-Kaledi.

55 Ngokuba u-Yehova uyayibûqa i-Babeli, alitshabalalise kuyo izwi elikûlu; aguguma amaza ayo njengamanzi amaninzi, kuvakala ingxolo yesandi sawo;

56 Ngokuba umbûqi uya kuyifikela i-Babeli, atînjwe amagofa ayo, ziqlwuke izapêta zayo; ngokuba ngu-Tixo wembuyekezo u-Yehova, uya kuvuza evuzile.

57 Ndiyabanxilisa abatêtêli bayo nezilumko zayo, amabambâ ayo ne-fuluneli zayo, namagofa ayo, ayakulala ubutôngo obungunapâkade, angavuki, utsho u-Kumkani ogama lake lingu-Yehova wemikosi.

58 Utsho u-Yehova wemikosi ukutî. Indonga ezibanzi ziya kunqikwa kube kanye, amasango ayo apâkamileyo atshiswe ngomlilo; izizwe zizixâmlele okulambâtâyo, nentlanga *zizixâmlele* umlilo, zityafeke.

59 Ilizwi, awatî u-Yeremiya um-profeti wamwisela umtêtô u-Seraya unyana ka-Neriya, unyana ka-Maseya, ekuyeni kwakê no-Tsedekiya ukumkani wakwa-Yuda e-Babeli, ngonmyaka wesine wobukumkani bake; u-Seraya-lo engumtshayeleli.

60 U-Yeremiya wabubâla encwadini bonke ububi obuya kuyifikela i-Babeli, onke lamazwi abâliweyo nge-Babeli.

61 Watî-ke u-Yeremiya ku-Seraya, Wakufika e-Babeli, kângela onke lamazwi uwalese,

62 Uze utî, Yehova, wena utêtîle ngalendawo ukuyinqumla, ingamiwa, kutâbatêle kumntu kuse nakwinkomo, ke yona iya kuba ngamanxuwa angunapâkade.

63 Kotî, wakugqiba ukuyilesa lencwadi, ubopê ilitye kuyo, uyinzulumbêle esazulwini som-Frati,

64 Utî, Iya kwenje nje i-Babeli ukutixumbû kwayo, ingapûmi ngenxa yobubi endiya kuyizisela bona, batyafe. Aze em' apâ amazwi ka-Yeremiya.

Digitized by Google

52 U-Tsedekiya ube minyaka imashumi mabini anamnye ezelwe, ukuba ngukumkani kwakê; waba neminyaka elishumi elinamnye engukumkani e-Yerusalem; igama lonina belingu-Hamutali, intombî ka-Yeremiya wase-Libena.

2 Wenza okubi emehlweni ka-Yehova, njengako konke awakwenzayo u-Yoyakim.

3 Ngokuba ngenxa yomsindo ka-Yehova kwenzeka oko e-Yerusalem nakwa-Yuda, wada wabalahla ebusweni bake. U-Tsedekiya waman'egwilika kukumkani wase-Babeli.

4 Kwatî ngomnyaka wesitôba wobukumkani bakê, ngenyanga yeshumi, ngosuku lweshumi enyangeni-leyo, wayifikela i-Yerusalem u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, yena nempi yakê yonke, wayifaula, wayakêla inqaba yokubonisela ngenxa zonke.

5 Wangqingwa-ke umzi kwada kwangumnyaka weshumi elinamnye wokumkani u-Tsedekiya.

6 Ngosuku lwesitôba lwenyanga yesine yaqina indlala pâkatî komzi, ababi nasonka abantu belizwe.

7 Wagqojozwa umzi; asaba onke amadoda okulwa, apûma pakatî komzi ebusuku ngendlela yesango elipâkatî kwendonga zombini, elisemyezweni wokumkani; (aya ke ama-Kaledi ewujikelezile umzi;) ahambâ ngendlela yase-Araba.

8 Impi yama-Kaledi yamsukela ukumkani, yamfumana u-Tsedekiya ezinqantosini zase-Yeriko, yonke impi yakê yampâlala yemka kuye.

9 Ambambâ ukumkani, anyuka naye, amsa kukumkani wase-Babeli e-Ribela ezweni le-Hamati; wawatêtâ apô amatyala akê.

10 Ukumkani wase-Babeli wabasikela onyana baka-Tsedekiya emehlweni akê; nabatêtêli bonke bakwa-Yuda wabasikela e-Ribela.

11 Wamtyapaza amehlo u-Tsedekiya, wamkônxa ngamakâmandela obêdu; ukumkani wase-Babeli wamsa e-Babeli, wamfaka entolongweni kwada kwayimini yokufa kwakê.

12 Ngenyanga yesihlanu ngosuku lweshumi enyangeni leyo, (lomnyaka-ke ngoweshumi elineminyaka esitôba kakumkani u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli,) wangena u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi, owema pâmbî kokumkani wase-Babeli, e-Yerusalem;

13 Wayitshisa indlu ka-Yehova, nendlu yokumkani, nezindlu zonke zase-Yerusalem; izindlu zonke zezikûlu wazitshisa ngomlilo.

14 Indonga zonke zase-Yerusalem ngenxa zonke yazidiliza yonke impi yama-Kaledi, ebinomtêtêli wamazemb'enkosi.

15 Kwezisweli zabantu, namasalela abantu ababesele pâkatî komzi, namapâmbâ awapâmbêlayo kukumkani wase-Babeli, namasalela engxokolo, wawafudusa u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi.

16 Ke u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi wasalisa, kwizisweli zelizwe, ukuze zibe ngabasebenzi bemi-diliya nabalimi.

17 Intsika zobêdu ebezisendlwini ka-Yehova, nenqwelana, nolwandle lobêdu obelusendlwini ka-Yehova, ezonto aziqêkeza ama-Kaledi, alutwalela e-Babeli lonke ubêdu lwazo.

18 Atâbatâ nembîza, nemihlakulwana, nezitshetshe, nezitya zokutshiza, nenkâmbâ, nempahla zonke zobêdu ebekulungiselelwa ngazo.

19 Umtêtêli wamazemb'enkosi watâbatâ izidendeleko, nengcedevu, nezitya zokutshiza, nembîza, nezipâtô zezibane, nenkâmbâ, namatûnga, i-golide kweze-golide, i-silvere kweze-silvere;

20 Nentsika zombîni, ulwandle olunye, nenkomo ezilishumi elinambîni zobêdu ezibe zipântsi kwalo, nenqwelana awazenzela indlu ka-Yehova u-Solomon ukumkani, alwabi nakulinganiswa ubêdu lwezompahla zonke;

21 Nentsika-ezo, ukupâkama kwenye intsika bekuzî-kubite ezilishumi elinesibôzo; umtya ozi-kubite ezilishumi elinambîni ubuyitândela, nezinyuko zayo beziyiminwe emine, ibiholoholo;

22 Inqûkuva yayo ibi yeyobêdu, ukupâkama kwenqûkuva bekuzi-kubite ezintlanu, umnatâ ne-fanate bezisenqukuveni ngenxa zonke, yonke lonto yabi lubêdu; intsika yesibini yabi kwanjalo kunye nefanate.

23 I-fanate bezingamashumi asitôba enazitândatu, zibêke emoyeni, i-fanate zonke bezilikûlu pêzu komnatâ ngenxa zonke.

24 Umtêtêli wamazemb'enkosi wamtâbatâ u-Seraya umenzeleleli oyintloko, no-

Digitized by Google

Tsefaniya umenzeleleli weyesibini intlamtlu, nabagcini-mnyango bobatâtû;
25 Kuwo umzi watâbatâ umbusi wamnye owaye ngumveleli wamadoda okulwa, namadoda asixênxe kuwo abebona ubuso bokumkani, awafunyanwa pâkatî komzi; nombâli womtêtêli womkosi obehlaba umkôsi kubantu belizwe, namadoda amashumi matândatû kubantu belizwe, awafunyanwayo pâkatî komzi.
26 Wabatâbatâ abo u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi, wabasa e-Ribela kukumkani wase-Babeli.
27 Wabaxabela ukumkani wase-Babeli, wababulala e-Ribela ezweni lase-Hamati. Afuduswa-ke ama-Yuda emhlabeni wawo.
28 Ngabo aba abantu awabafudusayo u-Nebukadenetsare: ngomnyaka wesixênxe ama-Yuda angamawaka amatâtû, anamanci mabini anamatâtû;
29 Ngomnyaka weshumi elinesibôzo ka-Nebukadenetsare kwafuduswa e-Yerusalem imipêfumlo yamakûlu asibôzo, anamanci matâtû anamibini;
30 Ngomnyaka wamashumi amabini anamitâtû ka-Nebukadenetsare u-Nebuzaradan umtêtêli wamazemb'enkosi wafudusa ama-Yuda ayimipêfumlo emakûlu asixênxe, anamanci mane anamihlanu. Yonke imipêfumlo yabi ngamawaka amane anamakûlu amatândatû.

31 Kwatî ngomnyaka wamashumi omatâtû anesixênxe wokufuduswa kuka-Yoyakin ukumkani wakwa-Yuda, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngosuku lwamashumi omabini anesihlanu enyangeni leyo u-Evili-merodaki ukumkani wase-Babeli, ngomnyaka wokwenziwa kwakê ukumkani, wayipâkamisa intloko ka-Yehoyakin ukumkani wakwa-Yuda, wamkûpâ entolongweni;
32 Watêtâ naye kakuhle, wayimisa itrone yakê yangapêzu kwe-trone zabanye okumkani, abebe naye e-Babeli.
33 Wazikûlula ingubo zake zobubanjwa; waman'ukudla isonka ebusweni bakê yonke imihla yokupîla kwakê.
34 Umxesho wakê, umxesho wamaxesha onke, wawunikwa, uvela kukumkani wase-Babeli, into yemini ngangemini yayo, kwada kwayimini yokufa kwakê, yonke imihla yokupîla kwakê.

IZILILO ZIKA-YEREMIYA.

ISIQENDU I.

YŌ! uhleli wodwa, umzi, obantu babe baninzi;
Obe umkûlu ezintlangeni
Usuke waba njengomhlolokazi; umtêtêlikazi emazweni,
Usuke waba ngofakwa uviko.
2 Ulila clilile ebusuku, inyembêzi zakê zisezidleleni zakê;
Akanamtûtûzeli kuzo zonke izitândane zakê;
Onke amakôlwane akê ammenezelele
Aba lutshaba kuye.
3 U-Yuda ufudusiwe, epûma ezintsizini nasezinkonzweni ezininzi;
Yena uhleli ezintlangeni, akafumani kupûmla;
Bonke abamsukelayo bamfikele ezingxingongweni.
4 Indlela zase-Tsiyon zenza isijwili ngokungabikô kwabaya emitêndelekweni;
Onke amasango ayo akanamntu, abenzeleleli bayo bayancwina;
Intombî zayo zinosizi, yona-ke kufa ra kuyo.
5 Ababandezeli bayo basuke bayintloko; intshaba zayo zinobunqobo;
Ngokuba u-Yehova uyenze yanosizi ngenxa yoreqo lwayo oluninzi;
Abantwana bayo bemkile batînjiwe baqûtywa ngumbandezeli.
6 Bupûmile entombîni engu-Tsiyon bonke ubungangamsha bayo;
Abatêtêli bayo banjengamaxâma angafumani dlelo,
Ahambâ enge namandla pâmbî komsukeli.
7 I-Yerusalem iyakûmbûla ngemini

Digitized by Google

yentsizi zayo neyokudinga kwayo
Zonke izinto zayo ezinqwenelekayo ebi nazo kukwimini zamandulo,
Ekuweni kwabantu bayo esandleni sombandezeli, inge namncedi;
Ababandezeli bayo bayibona, bakuhleka ukucinywa kwayo.
8 I-Yerusalem asikukô nokuka yonile yona; ngenxa yoko yaba lubofa;
Bonke ababeyizukisa bayayicukuceza, ngokuba babone ubuzé bayo;
Nayo ngokwayo iyancwina, ibuye umva.
9 Ubunqambî bayo busezingutyeni ezifolayo zayo, ayilikûmbûlelanga ikamva layo;
Yehla-ke ngokubalulekileyo; ayinamtûtûzeli;
Itî, Zikângele, Yehova, intsizi zam; ngokuba utshaba luzikûlisile.
10 Umbandezeli usolule isandla sakê pêzu kwezinto zayo zonke ezinqwenelekayo;
Kuba ibona intlanga zingene engcweleni yayo,
Owawuwise umtêtô wena, ukuba zingangeni ebandleni lakô,
11 Bonke abantu bayo bayancwina, befuna isonka;
Bafole izinto zabo ezinqwenelekayo ngenxa yesonka, ukuze bawubuyise umpêfumlo.
Bona, Yehova, ukângele, ukuba ndisuke ndacukucezeka.
12 Akunto-na oku kuni nonke, nina nidlula ngendlela?
Bêkani nibone, ukuba ukô-na umvandedwa onjengomvandedwa wam, endiwenziweyo,
Atê u-Yehova wandenza lusizi ngemini yokuvutâ komsindo wake.
13 Engapêzulu utûme umlilo ematânjeni am, wawanyatêla;
Uzanekele umnatâ inyawo zam, wandibuyisa umva;
Undenze inxuwa, yonke imini nditŷafile.
14 I-dyokwe yeziŕeqo zam ibotshwe sisandla sakê;
Zibijelene, zenyuka zasemqaleni wam, zawakûbekisa amandla am;
I-Nkosi yam indinikele ezandleni zabo, andinakumisa kubo.
15 I-Nkosi yam izitshitshisile zonke imbâlasane zam ezipâkatî kwam,
Indimemele umtêndeleko, ukuba yapûle amadodana am.
I-Nkosi yam isixovulelo sewayini isixovulele inkazana eyintombî enguYuda.
16 Ngenxa yezozinto ndiyalila; iliso lam, iliso lam lihla amanzi;
Ngokuba ekude kum umtûtûzeli, umbuyisi wompêfumlo wam;
Bazimpânza abantwana bam, ngokuba utshaba lwam lundcyisile.
17 I-Tsiyon iyazolula izandla zayo, ayinamtûtûzeli;
U-Yehova ubawisele umtêtô ngo-Yakobi, ukuba ababandezeli bakê bamnqonge;
I-Yerusalem iyinto elubôfa pâkatî kwabo.
18 Ulilungisa u-Yehova; ngokuba bendipîkise umlomo wakê.
Kânive, nonke zizwe, niwubone umvandedwa wam;
Umtînjana wam namadodana am emke nokutînjwa.
19 Ndibize izitândane zam, zandikohlisa zona;
Abenzeleleli bam namadoda amakûlu akwam apûme umpêfumlo pâkatî komzi,
Xa abezifunela ukudla ukuba abuyise imipêfumlo yawo.
20 Kângela, Yehova; ngokuba ndibandezelekile; izibilini zam ziyabila;
Intliziyo yam ipêndukile pâkatî kwam; ngokuba ndasuka ndazinkani kupêla;
Ngapândle ifele landihluta abantwana, ngapâkatî kwakukufa kodwa.
21 Bandivile ukuba ndiyancwina; ndatî, Andinamtûtûzeli;
Zonke intshaba zam zibuvile ububi bam; zinemihlali, ngokuba oko kwenziwe nguwe.
Uyayizisa imini oyimemileyo, ziya kuba njengam-ke.
22 Mabufike pâmbî kwakô bonke ububi bazo,
Uzipâtê njengoko wandipâtâ ngako ngenxa yeziŕeqo zam zonke;
Ngokuba kuninzi ukuncwina kwam, nentliziyo yam itŷafile.

Digitized by Google

2 Yō! itê-nina i-Nkosi yam ukuyisibekela kangaka ngomsindo wayo intombî u-Tsiyon;
Isikûpîle ezulwini, yasikâhlela emhlabeni isihombô sika-Sirayeli,
Ayasikûmbûla isi-tûlo senyawo zayo ngemini yomsindo wayo.
2 I-Nkosi yam iwaginyile, ayawaconga onke amarîwa akwa-Yakobi;
Isigungxule ngokupûpûma komsindo wayo inqaba ezinkulu zentômbi engu-Yuda;
Yazisa emhlabeni;
Ibuncôlisile ubukumkani nabatêtêli babo.
3 Izixakaxile ngokuvutâ komsindo wayo zonke impondo zika-Sirayeli,
Isibuyise umva isandla sayo sokunene ebusweni botshaba;
Watshisa kwa-Yakobi njengomlilo olenyayo, odlayo ngenxa zonke.
4 Isityedile isapêta sayo njengotshaba;
imise, isandla sayo sokunene saxela esombandezeli,
Yazibulala zonke izinto ezinqwenelekayo emehlweni;
En-tenteni yentombî u-Tsiyon ibupâlazile ubushushu bayo njengomlilo.
5 I-Nkosi yam isuke yaba njengotshaba; imginyile u-Sirayeli,
Iziginyile zonke ingxande zayo ezinde, izonakalisile inqaba zayo ezinkulu;
Yandisa entombîni engu-Yuda uncwino nokukâla.
6 Icîtîle indawo yayo ebiyiweyo njengomyezo;
Iyitshabalalisile indawo yayo yentlangano;
U-Yehova wenze walityalwa e-Tsiyon umtêndeleko ne-sabatâ;
Wabagiba ekubâvumeni komsindo wakê ukumkani nomenzeleleli.
7 I-Nkosi yam isihlambêle isibingelelo sayo, itê-netê kuyo ingcwele yayo,
Izivingcelele esandleni sotshaba indonga zengxande zayo ezinde;
Baxokozela endlwini ka-Yehova njengemini yomtêndeleko.
8 U-Yehova ucinge ukonakalisa udonga lwentombî u-Tsiyon;
Wolule ulutya lokulinganisela, akasibuyisa isandla sakê ekuginyeni;
Wenza unqâmeko lomsele nodonga lwaba nesijwili; zitôkombîsile kunye ezonto.
9 Amasango ayo atshonile emhlabeni, uyitshabalalisile uyapûle imivalo yayo;
Ukumkani wayo nabatêtêli bayo basezintlangeni, akukô myalelo;
Aba-profeti bayo abafumani mbono ku-Yehova.
10 Ahleli emhlabeni etê-cwaka amadoda amakûlu entombî u-Tsiyon;
Azigalele ngomhlaba entloko, abînge ezirwexayo;
Uzitôbele emhlabeni intloko zawo umtînjana wase-Yerusalem.
11 Amehlo am apêla zinyembêzi, ziyabila izibilini zam,
Isibindi sam sipâlalele emhlabeni ngenxa yokwapûka kwentombî yabantu bakowetû,
Ngokutyafa kwabantwana, nabasemabeleni ezi-trateni zomzi.
12 Baman'ukutî konina, Ipîna inqôlowa ne-wayini?
Ekutyafeni kwabo njengabanxwelefiweyo ezi-trateni zomzi,
Ekuzipâlazeni kwemipêfumlo yabo esifubeni sonina.
13 Ndikunqînele nganto-nina? Ndikufanekise nanto-nina, ntombî yase-Yerusalem?
Ndikulinganise nanto-nina, ukuze ndikutûtûzele, ntombîndini iyintombî, u-Tsiyon?
Ngokuba kukûlu ngangolwandle ukwapûka kwakô; ngubanina onokukupîlisa?
14 Aba-profeti bakô bakubonele imibono yento enge nto nejavujavu;
Ababutyila ubugwenxa bakô, ukuba kubuyiswe ukutînjwa kwako;
Bakubonele imibono ezizihlabo ezingezizo nezokugxotwa.
15 Babetâ izandla ngawe bonke abadlula ngendlela;
Benza umsondlo, bahlunguzele intloko ngentombî u-Yerusalem, besiti,
Ngulomzi-na lokutîwa kupêla kwenzwana, yimihlali yomhlaba wonke?
16 Zonke intshaba zakô zikwakâmisela umlomo,
Zenza umsondlo, zitshixizela amazinyo zitî, Siyiginyile;

Digitized by Google

Inene, yiyo le imini ebesiyitêmbîle;
siyifumene, siyibonile.
17 Ukwenzile u-Yehova abekunqangiyele;
Ulizalisile ilizwi-lakê, abeliwisele umtêto kususela kwimini zamandulo;
Ugungxule, akaconga;
Wenze lwakuvuyelela utshaba lwakô,
Upâkamise upôndo lwababandezeli bakô.
18 Intliziyo yabo ikâla e-Nkosini yam;
Ludonga lwentombî u-Tsiyon, mazihle inyembêzi njengomlambô imini nobusuku;
Mus'ukuyeka, malungapêzi ukôzo lweliso lakô.
19 Vuka, uhlahlambê ebusuku, ekuqalekeni kwemilindo;
Yipâlaze njengamanzi intliziyo yakô ebusweni be-Nkosi;
Zipâkamisele kuyo izandla zakô ngenxa yompêfumlo wabantwana bakô,
Abatŷafileyo kulambâ ekujikeni kwezitrate zonke.
20 Bona, Yehova, ukângele, ngubanina lo wenje nje ukumpâtâ kakubi?
Abafazi bangadla isiqâmo somzimbâ wabo-na? badle abantwana ababatântamisayo-na?
Angabulalelwa engcweleni ye-Nkosina umenzeleleli nom-profeti?
21 Balele emhlabeni pândle oyinkwenkwe noyindoda enkulu;
Umtînjana wam namadodana am awile ngeŕele;
Ubulele ngemini yomsindo wakô, usikile akwaconga.
22 Ukumemile ngokwemini yomtêndeleko ukunxungupâla kwam ngenxa zonke,
Akwabikô usindayo usalayo ngemini yomsindo ka-Yehova.
Endibatântamisileyo ndabakûlisa, utshaba lwam lubagqibele.

3 Ndim indoda ebone intsizi ngentonga yokupûpûma komsindo wakê.
2 Undikôkele wandihambîsa ebumnyameni, akwabi sekukânyeni.
3 Ubuye wasiguqulela kum ndedwa isandla sakê imini yonke.
4 Uyonakalisile inyama yam nolusû lwam, uwapûle amatâmbô am.
5 Undakêle wandiŕaqa ngenyongo nendiniso.
6 Undibeke endaweni ezimnyama njengabafe ngonapâkade.

7 Undibiyele ngenxa zonke, andinakupûma; uwenze anzima amakâmandela am obêdu.
8 Noko ndikâlayo, ndizibikayo, uyawuvingcela umtândazo wam.
9 Uzibiyele indlela zam ngamatye aqîngqiweyo, uzenze goso ingqushu zam.

10 Kum uyi-bere elalelayo, uyingonyama esezintsitêlweni.
11 Uzityekisile indlela zam, wandidlavula; undenze inxuwa.
12 Usigobile isapêta sakê, wandimisa ndayi-tikini yotolo lwakê.

13 Uzise ezintsweni zam intolo zompôngolo wakê.
14 Ndisuke ndayintlekisa kubantu bonke bakowetû; ndiyingoma yabo imini yonke.
15 Undihlutise ngento eziŕaŕa, wandiseza ndahluta umhlonyane.

16 Wawapûla ngohlalu amazinyo am, undixinzelele pântsi elutûtwini.
17 Wawuhlambâ umpêfumlo wam, awabi naluxolo; ndiyilibele into elungileyo.
18 Ndati, Apêlile amandla am, nokulinda kwam ku-Yehova.

19 Zikumbûle intsizî zam, nokutshutshiswa kwam, umhlonyane nenyongo.
20 Uyazikûmbûla unangoku ezonto, usibekekile kum umpêfumlo wam.
21 Oko ndikunyamekele ngentliziyo, ngenxa yoko ndilindile.

22 Kungenceba zika-Yehova lento singagqityelwanga, ngokuba ayipêli imfesane zakê.
23 Zintsha imiso ngemiso; kukûlu ukutêmbêka kwakô.
24 Isabelo sam ngu-Yehova, utsho umpêfumlo wam; ngenxa yoko ndilindele kuye.

Digitized by Google

25 U-Yehova ulungile kwabatêmbêle kuye, kumpêfumlo ofuna yena.
26 Kulungile ukuba umntu alulindele etê-cwaka usindiso luka-Yehova.
27 Kuyilungele indoda ukuba iyitwale i-dyokwe kwasebutsheni bayo.

28 Mayihlale yodwa itê-cwaka, xa iyitwalisiweyo.
29 Mayiwubeke elutûlini umlomo wayo; kungakô itêmbâ mhlaumbî.
30 Mayisinikele isidlele sayo koyibetâyo; mayihlute yingcikivo.

31 Ngokuba i-Nkosi yam ayikuhlambâ ngonapakade.
32 Ngokuba naxa imhlîsele usizi, noko yoba nemfesane ngokobuninzi beneeba yayo.
33 Ngokuba ayibacinezeli ngokupûma entliziyweni yayo, ibenze babe nosizi onyana baka-Adam.

34 Ekutyunyuzweni kwababanjiweyo bonke bomhlaba pântsi kwenyawo,
35 Ekulijikeni ityala lomfo pâmbî kobuso b-Osenyangweni,
36 Ekupênulweni komntu ekubambâneni kwakê *nomnye*, i-Nkosi yam ayiboni-na?

37 Ngubanina okê watêtâ, kwenzeka, i-Nkosi yam ingawisanga untêtô?
38 Akupûmi okubi nokulungileyo emlonyeni w-Osenyangweni na?
39 Yinina ukuba umntu akâlaze epîlile? umfo makakâlaze ngenxa yezono zakê.

40 Masizipêngulule indlela zetû, sizigocagoce, sibuyele ku-Yehova.
41 Masizinyuse intliziyo zetû kunye nezandla zetû, zizise ku-Tixo ezulwini.
42 Tîna sifeqile sanenkani; wena akuxolelanga.

43 Uzigqubutêle ngomsindo, wasisukela; ubulele akwaconga.
44 Uzigqubutêle ngelifu, ukuze ungapumeli umtândazo *wetû*.
45 Usenze inkunkuma, imvutûluka esazulwini sezizwe.

46 Zisakâmisele umlomo wazo zonke intshaba zetû.
47 Kokwetû ukunkwantya nomgongxo nesibatâ nokutshabalala nokwapûka.
48 Iliso lam lihla imijelo yamanzi ngenxa yokwapûka kwentombî yabantu bakowetû.

49 Iliso lam liyatyityizela, aliyeki alinqamki,
50 Ade aqondele abone u-Yehova esezulwini.
51 Iliso lam liyawubulala umpêfumfo wam, ngenxa yentombî zonke zomzi wakowetû.

52 Zindizingele zandizingela njengentaka intshaba zam ngelizê.
53 Zibubângisile ubomi bam ngokundeyelisela emhadini, zandigibisela ngamatye.
54 Amanzi ahambê pêzu kwentloko yam, ndatî ndinqanyulwe.

55 Ndinqule igama lakô, Yehova, kongapântsi umhadi.
56 Izwi lam waliva; mus'ukuyifihla indlebe yakô ekubefuzeni kwam, ekuzibikeni kwam.
57 Wasondela ngemini yokukunqula kwam; watî, Mus'ukoyika.

58 Uwatêtîle amatyala ompêfumlo wam, Nkosi yam; ubukûlule ubomi bam ngokubumisela.
59 Ukubonile, Yehova, ukupênulwa kwam, ligwebe ityala lam.
60 Uyibonile yonke impindezelo yabo, *uzivile* zonke ingcinga zabo ngam.

61 Ukuvile ukungcikiva kwabo, Yehova, *uzivile* zonke ingcinga zabo ngam;
62 Umlomo wabo basukela pêzulu kum, nezicamango zabo ngam yonke imini.
63 Ukuhlala kwabo nokusuka kwabo kubêke; ndiyingoma yabo.

64 Babuyisele imbûyekezo, Yehova, ngokwezenzo zezandla zabo.
65 Banike ubumfama bentliziyo, intshwabulo yakô mayibe kubo.
66 Basukele ngomsindo, ubatshabalalise, bangabikô pântsi kwamazulu ka-Yehova.

Digitized by Google

4 Yō! isuke i-golide yaba mncumevu,
isuke yaba yiyimbî ecikizekileyo elungileyo,
Asuke apâlazwa amatye engcwele ekujikeni kwezi-trate zonke.
2 Abe-Tsiyon abanqabileyo, abamelwe yi-golide engcwengiweyo,
Yō! babalelwa ekubeni yimipânda yodongwe, umsebenzi wezandla zombumbî.
3 Kantî nempungutye ziyalifola ibele, zanyise amatôle azo:
Ke yona intombî yabantu bakowetû isuke yaba sijofa njengenciniba entlango.
4 Ulwimi losebeleni lunamatêla emakûhlangubeni akô linxano;
Abantwana bacela isonka, akukô ubapûlelayo.
5 Ababesidla ubuncwane bapânzile ezitrateni;
Ababepâtwa ngengubo ezibomvu bawola amazala.
6 Bukûlile ubugwenxa bentombî yakowetû ngapêzu kwesono se-Sodom,
Yona yabûkuqwayo ngepânyazo, kungasiwanga zandla kuyo.
7 Babeqaqambîle ababalulekileyo bayo ngapêzu kwekêpu, babe mhlope ngapêzu kwamasi,
Babe yingqombêla imizimbâ ngapêzu kwe-korale, isibili sabo besinjenge-safire;
8 Imbônakalo yabo imnyama ngapêzu kocolotî;
Abanakaneki ezi-trateni; ulusû lwabo lutshele ematânjeni abo; lomile lwanjengokuni.
9 Banenyweba ababulewe ngeêele kunabababulewe yindlala;
Bona bapêla ngokubulawa kukungabikô kweziqâmo zamasimi.
10 Izandla zabafazi abanemfesane zipêke abantwanana babo;
Baba kukudla kwabo ekwapûkeni kwentombî yabantu bakowetû.
11 Ubupêlelisile ubushushu bakê u-Yehova, ukupâlazile ukuvutâ komsindo wakê;
Wafaka umlilo e-Tsiyon, wazitshisa iziseko zayo.
12 Bebenge nakukôlwa okumkani bomhlaba nabemi bonke belimiweyo,
Ukuba ubengangenayo umbandêzeli notshaba emasangweni ase-Yerusalem.
13 Kungenxa yezono zaba-profeti bayo nobugwenxa babenzeleleli bayo,
Abapâlaze igazi lamalungisa pâkatî kwayo.
14 Bapâmzela bezimfama ezi-trateni, bedyobekile ligazi,
Bada abantu ababi nakucûkûmisa nezambâtô zabo.
15 Sukani, nantso inqambî! kwatîwa ukumenyezwa kubo; sukani, sukani, musan' ukupâtâ;
Bakusaba, bapâmzela nalapô; kwatîwa pâkatî kwentlanga, Mabangapîndi bapâmbûkele kôna.
16 Ubuso buka-Yehova bubacîtâcîtîle, akasayi kubabêka;
Ubuso babenzeleleli ababubêkanga, amadoda amakûlu abawababalanga.
17 Tîna, amehlo etû ayapêla ekângele uncedo olungamampunge;
Ekuboniseleni kwetû sibonisela uhlanga olungayi kusisindisa.
18 Bazingela amanyatêla etû, ukuze singabi nakuhambâ ezi-trateni zetû;
Kusondele ukupêla kwetû, izalisekile imihla yetû; ewe, kufikile ukupêla kwetû.
19 Abasisukelayo banamendu ngapêzu kwenkozi zasezulwini;
Basisukela ezintabeni ngokushushu, basilalela entlango.
20 Umoya wamatâtâ etû, umtânjiswa ka-Yehova ubanjisiwe ezihogweni zabo;
Lowo besisitî, Siya kuhlala pântsi komtunzi wakê ezintlangeni.
21 Yiba nemihlali uvuye kambê, ntombî yakwa-Edom, ehleliyo ezweni lakwa-Utse;
Iya kudlulela nakuwe indebe; uya kunxila, uzihlube.
22 Bugqityiwe ubugwenxa bakô, ntombî Tsiyon;
Akayi kupînda akufuduse;
Uya kubuvelela ubugwenxa bakô, ntombî Edom,
Uya kuzityila izono zakô.

5 Kukûmbûle, Yehova, okusihleleyo;
Bêka uyibone ingcikivo yetû.
2 Ilifa letû lisuke lenziwa elabasemzini,

Digitized by Google

Izindlu zetů *zalunga* kwabolunye uhlanga.
3 Sizinkedama, asinabawo;
Omá banjengabahlolokazi.
4 Amanzi etů siwasela nge-silvere;
Inkuni zetů ziza kutí ngexabiso.
5 Intshutshiso ipézu kwentamo yetů;
Sidiniwe, asinakupůmla.
6 Isandla sisinika ama-Yiputa;
Ama-Asuri, ukuba sihlute sisonka.
7 Obawo bŏnile, abasekô;
Tína sitwele ubugwenxa babo.
8 Silaulwa ngabakônzi;
Akukô usiqíwulayo ezandleni zabo.
9 Isonka setů sisizuza ngompéfumlo wetů usicénge,
Ngenxa yeřele lasentlango.
10 Ulusú lwetů luyavutá njengeziko
Ngenxa yolopů lwendlala.
11 Badlwengule abafazi e-Tsiyon,
Intombí emizini yakwa-Yuda.
12 Baxôme abatétéli ngezandla;
Ubuso bamadoda amakůlu abubekwa.
13 Amadodana atwala amatye okusila,
Amakwenkwe akůbeka pántsi kwenkuni.
14 Amadoda amakůlu apézile ukuya esangweni,
Amadodana ekubeténi uhadi.
15 Ipélile imihlali yentliziyo yetů,
Ukuqambá kwetů kujike kwakumbámbázela.
16 Siwile isitsaba entloko yetů;
Yeha-ke tína! ukuba sŏnile.
17 Ngenxa yoko ityáfile intliziyo yetů;
Ngenxa yezonto amnyama amehlo etů;
18 Ngenxa yentaba yase-Tsiyon ukuba ibáfile,
Kuhambá impungutye pezu kwayo.
19 Wena, Yehova, uhleli ngonapáka-de;
I-trone yakô ikwisizukulwana ngesizukulwana.
20 Yinina ukuba umane usilibele,
Usilahla imihla emide?
21 Sibuyisele kuwe, Yehova, sobuya;
Hlaziya imihla yetů njengokwamandulo.
22 Ungaba usicekise mpela-na,
Wanobufalafume kutí ngokukůlukazi-na?

INCWADI KA-HEZEKELI UM-PROFETI.

ISIQENDU I.

KEKALOKU ngomnyaka wamashumi omatátů, ngenyanga yesine, ngolwesihlanu *usuku* enyangeni-leyo ndakubon' ukuba ndipákatí kwabatínjiweyo ngasemlanjeni oyi-Kebare, avuleka amazulu, ndabona imibono ka-Tíxo.

2 Ngolwesihlanu enyangeni-leyo, (ingumnyaka-ke wesihlanu wokutínjwa kokumkani u-Yoyakin lowo,)

3 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Hezekeli unyana ka-Buzi, umenzeleleli, ezweni lama-Kaledi, ngasemlanjeni oyi-Kebare; saba pézu kwakê apô isandla sika-Yehova.

4 Ndabona-ke, nanko-ke; kusiza umoya ovutůzayo, uvela ngase-Ntla, unelifu ilikůlu nomlilo obumbéneyo njengembumbůlu, nobuhlope obungenxa zonke kulo, obupůma ngapákatí kwawo, bubonakala ngatí yi-golide evutíweyo emililweni pákatí.

5 Ngapákatí kwawo yimfano yezinto ezipílileyo ezíne; nantsi-ke imbónakalo yazo: bezinemfano yomntu;

6 Inye ibi nobuso obune, inye kuzo apô ibi namapíko amane;

7 Imilenze yazo ibi yimilenze etê-nqo; umpántsi wenyawo ubunjengompántsi wenqina letóle, zidangazela, zibonakala ngatí lubédu olubengezelisiweyo.

8 Zazinezandla zomntu ngapántsi kwamapíko azo emacaleni azo omane; zozine-ke zinobuso namapíko;

9 Amapíko azo abehlangene elaleyo ne-

Digitized by Google

laleyo; bezingajiki ekuhambêni kwazo, bezihambâ iyileyo iye kwicala elikângelene nobuso bayo.

10 Imfano yobuso bazo besibubuso bomntu; zinobuso bengonyama zozine ngasekunene; zinobuso benkomo zozine ngasekôhlo, zinobuso bokôzi zozine;

11 Ubuso bazo namapîko azo ebahlukene ngapêzulu; iyileyo inamabini ehlangene nawaleyo, *namapîko* amabini-ke egubungele imizimbâ yazo.

12 Zahambâ-ke, iyileyo yaya kwicala elikângelene nobuso bayo; apô sukuba ubusiya kôna umoya, zaya kôna; azajika ekuhambêni kwazo.

13 Imfano yezinto ezipîlileyo-ezo, imbônakalo yazo ibingatî ngamalahle omlilo abâsiweyo, ibingatî yimbônakalo yezikûni ezitshangazayo; wona wahambâhambâ pâkatî kwezinto ezipîlileyo-ezo; umhlope-ke umlilo-lowo, emlilweni kupûma imibane.

14 Izinto ezipîlileyo bezigidima zibuye, ngokokubonakala kokupâmbâpâmbâ kombane.

15 Ndazibona izinto ezipîlileyo; nankoke kukô i-vili emhlabeni ecaleni kwezinto ezipîlileyo, zinganye *i-vili* kubuso ngobuso bazo obune.

16 Ukubonakala kwe-vili nokusetyenzwa kwazo kwakunjengembônakalo yekrizoliti, zimfan' enye zozine; ukubonakala kwazo nokusetyenzwa kwazo kungatî i-vili ingapâkatî kwe-vili.

17 Ekuhambêni kwazo zapâmbêla kumacala azo omane; azajika ekuhambêni kwazo.

18 I-felenge zazo bezipâkamile, bezisoyikeka; i-felenge zazo bezizele ngamehlo ngenxa zonke kuzo zozine.

19 Zakuhambâ izinto ezipîlileyo, zahambâ nazo i-vili ecaleni lazo; zakusuka izinto ezipîlileyo emhlabeni, zasuka nazo i-vili.

20 Apô sukuba ubusiya kôna umoya, zaya apô sukuba umoya ubusiya kôna; zasuka i-vili kunye nazo; ngokokuba umoya wezinto ezipîlileyo ubukô ezi-vilini-ezo.

21 Zakuhambâ, zahambâ nazo; zakuma, zema nazo; zakusuka emhlabeni, zasuka i-vili kunye nazo; ngokokuba umoya wezinto ezipîlileyo ubukô ezi-vilini-ezo.

22 Napêzu kwentloko zezinto ezipîlileyo bekukô into efana nesibâkabâka ngatî ngembônakalo yi-kristale eyoyikekayo, sanekiwe pêzu kwentloko yazo ngapêzulu.

23 Ngapântsi kwesibâkabâka amapîko ayetê-tye, elo lasinga kwelinye; iyileyo inamabini ayigubungeleyo, yileyo inamabini ayigubungeleyo emzimbeni.

24 Ndeva-ke isandi samapîko azo sinjengesandi samanzi amaninzi, ngatî lizwi lo-Somandla, ekuhambêni kwazo; izwi elinengxolo ngatî sisandi somkôsi; zakuma, zawayeka ehla amapîko azo.

25 Kwabakô-ke izwi lipûma ngapâya kwesibâkabâka ebesipêzu kwentloko zazo; zakuma, zawayeka ehla amapîko azo.

26 Ngapêzu kwesibâkabâba ebesipêzu kwentloko zazo kwabonakala mfanekiso we-trone ongatî lilityе le-safire; ngapêzu komfanekiso we-trone kwabakô umfanekiso ongatî yimbônakalo yomntu pêzu kwayo ngapêzulu.

27 Ndabona-ke, ngatî yimbônakalo yegolide evutîweyo, ngatî yimbônakalo yomlilo ngapâkatî kwayo nangenxa zonke kuyo, kwatâbatêla embônakalweni yesinqe kwenyusa; kwatâbatêla embônakalweni yesinqe kwehlisa, ndabona-ke ngatî yimbônakalo yomlilo, kumhlope-ke ngenxa zonke;

28 Ngatî yimbônakalo yomnyamâ obakôyo efini mini ngemvula, yabinjalo imbônakalo yobuhlope ngenxa zonke. Leyo yimbônakalo yomfanekiso wobuqaqauli buka-Yehova. Ndabona-ke, ndawa ngobuso, ndaliva izwi lotêtâyo.

2 Watî kum, Nyana ka-Adam, yima ngenyawo zakô, nditêtê nawe.

2 Kwangena-ke umoya kum, xa abetêtâ nam, wandimisa ngenyawo zam, ndamva otêtâ kum.

3 Watî kum, Nyana ka-Adam, ndikutûma konyana baka-Sirayeli, kwintlanga ezingabagwiliki abagwilikileyo kum; bona noyise babo bareqile kum kwada kwayilemini.

4 Onyana bazingwanyalala ubuso, balukûni intliziyo; ndikutûma kubo, uz'utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova.

5 Ke bona,—nokuba batê beva, nokuba batê abakâtâla, kuba beyindlu enenkani, —baya kwazi ukuba bekukô um-profeti pâkatî kwabo.

6 Wena-ke nyana ka-Adam, mus' uku-

Digitized by Google

boyika, ungawoyiki amazwi abo; noko usemafawini nasemeveni, uhleli pezu konomadudwane: mus'ukuwoyika amazwi abo, ungaqfpuk' umbilini bubuso babo, kuba bayindlu enenkani.

7 Watété-ke kubo amazwi am; nokuba batê beva, nokuba batê abakâtâla; ngokuba banenkani.

8 Wena-ke, nyana ka-Adam, yiva endikutétâyo kuwe; ungabi nankani njengalendlu inenkani; kâmisa, udle endikunikayo.

9 Ndabona, naso isandla solulelwe kum; nantso kuso incwadi esongiweyo.

10 Wayitwabulula pâmbî kwam; yayeke ibâliwe ngapâkati nangapândle, kubâlwe kuyo izimbonono, nezikwino, nezimema.

3 Ke watî kum, Nyana ka-Adam, kudle okufumanayo; yidle lencwadi isongiweyo, uye utété kwindlu ka-Sirayeli.

2 Ndawuvula-ke umlomo wam, wandidlisa loncwadi isongiweyo,

3 Watî kum, Nyana ka-Adam, dlisa isisu sakô, uzalise umbilini wakô ngaloncwadi isongiweyo, ndikunikayo. Ndayidla-ke, yaba nencasa emlonyeni wam njengobusi.

4 Watî kum, Nyana ka-Adam, hamb'uye kwindlu ka-Sirayeli, utété kubo ngamazwi am.

5 Ngokuba akutûnyelwa kubantu abantetô inzulu, abalulwimi lunzima, utûnyelwa kwindlu ka-Sirayeli;

6 Andikutûmeli kwizizwe ezininzi ézintetô inzulu, ezilulwimi lunzima, ezimazwi ungaweviyo, ndikutûmele kuzo ezi zinokukupûlapûla zona.

7 Ke indlu ka-Sirayeli ayikuvuma ukukupûlapûla; ngokokuba abavumi ukundipûlapûla nam; kuba yonke indlu ka-Sirayeli ilukûni ibunzi, igogotyile ngentliziyo.

8 Yabona, ndibenza lukûni ubuso bakô, kwanjengobuso babo; ibunzi lakô libe lukûni kwanjengebunzi labo;

9 Ndilenza libe njenge-dayiman, elukûni ngapézu kweqwitâ, ibunzi lakô; ungaboyiki, ungaqfpûk' umbilini pâmbî kwabo; ngokuba bayindlu enenkani.

10 Watî kum, Nyana ka-Adam, onke amazwi am endiya kuwatêtâ kuwe, wamkelele entliziyweni yakô, uweve ngendlebe zakô;

11 Uhambê uye kubatînjwa, konyana babantu bakowenu, utêtê kubo, utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova; nokuba batê beva, nokuba batê abakâtâla.

12 Wandifunqula umoya, ndeva ngasemva kwam isandi sendudumo enkulu, sisitî, Mabubongwe ubuqaqauli buka-Yehova, endaweni yabo.

13 Kananjalo ndeva nesandi samapiko ezinto ezipîlileyo, elo lifikelela kwelo, nesandi se-vili ngakuzo, nesandi sendudumo enkulu.

14 Wandifunqula umoya, wandisusa; ndahambâ ndifara bubushushu bomoya wam, saye-ke isandla sika-Yehova sipézu kwam siqinile.

15 Ndafika-ke e-Telabibi kubatînjwa, ababehleli emlanjeni oyi-Kebare, apô bebehleli kôna; ndahlala pântsi kôna intsuku zasixênxe, ndimangalisiwe, pâkati kwabo.

16 Kwatî ekupêleni kwentsuku ezisixênxe, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

17 Nyana ka-Adam, ndikwenze umboniseli kwindlu ka-Sirayeli; live-ke ilizwi emlonyeni wam, ubavuse ngokuvela kum.

18 Xa nditî kongendawo, Inene uya kufa; usuke wena ungamvusi, ungatêtî ukuze umvuse ongendawo, apûme endleleni yakê engendawo, ukuze apîle: wofa ongendawo lowo ngobugwenxa bakê; kodwa lona igazi lakê ndolibiza esandleni sakô.

19 Wena-ke, xa utê wamvusela ongendawo, akabuya endleleni yakê, endleleni yakê engendawo: wofa ngobugwenxa bakê; kodwa wena uwuhlangule umpêfumlo wakô.

20 Ke lakubuya ebulungiseni balo ilungisa, lenze ngobugqwetâ, ndibeke isikûbekiso pâmbî kwalo: lofa lona; xa utê akwalivusa: lofa ngenxa yesono salo, bungakûnjulwa ubulungisa balo elabenzayo; kodwa lona igazi lalo ndolibiza esandleni sakô.

21 Wena-ke, xa utê walivusa ilungisa, ukuba lingoni ilungisa, alona-ke: lopîla ngokuba livusiwe; ke wena wowuhlangula umpêfumlo wakô.

Digitized by Google

22 Sabakô apô isandla sika-Yehova pêzu kwam, watî kum, Suk'ume, pûma uye entilini, ndixoxe nawe kôna.

23 Ndesuka ndema, ndapûma ndaya entilini; nanko-ke, kumi kôna ubuqaqauli buka-Yehova obu njengobuqaqauli obuya ndabubonayo ngasemlanjeni oyi-Kebare; ndawa ngobuso.

24 Kwafika umoya kum, wandimisa ngenyawo zam, waxoxa nam, watî, Yiya, uzivalele endlwini yakô.

25 Wena-ke nyana ka-Adam, yabona, baya kukufaka izintya, bakubopê ngazo, ukuze ungapûmi uye pâkatî kwabo;

26 Ndilunamatêlise ulwimi lwakô emakûhlangubeni akô, ube sidenge, ungabi yindoda eyohlwayayo kubo; ngokuba bayindlu enenkani.

27 Ndakuxoxa nawe, ndowuvula umlomo wakô, utî-ke kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova. Ovayo makeve, ongakâtâliyo makangakâtâli ngokuba bayindlu enenkani.

4 Wena-ke nyana ka-Adam, tâbatâ isitena, usibeke pâmbî kwakô, urole umzi kuso, i-Yerusalem;

2 Uwungqinge, uwakêle inqaba zokubonisela, uwufumbêle udonga lokungqinga; uwenzele iminquba, umisele into zokutyomfa indonga ngenxa zonke.

3 Wena-ke, tâbatâ i-pan yesinyiti, uyimise ibe ludonga lwesinyiti pâkatî kwakô nomzi lowo, ububêkise ubuso bakô kuwo, ube selungqingweni wona, uwungqinge wena. Ngumqondiso lo kwindlu ka-Sirayeli.

4 Wena-ke, lala ngecala lakô lasekôhlo, ububeke ubugwenxa bendlu ka-Sirayeli pêzu kwalo: ngangenani lentsuku oya kulala ngalo, uya kubutwala ubugwenxa babo.

5 Kuba iminyaka yobugwenxa babo ndiyenza ukuba kuwe ibe ngangenani lentsuku, intsuku ezimakûlu matâtû anamanci asitôba, uya kubutwala ubugwenxa bendlu ka-Sirayeli.

6 Utî, wakuba uzifezile ezo, ulale okwesibini ngecala lakô lasekunene, ubutwale ubugwenxa bendlu ka-Yuda intsuku ezimashumi mane; ndikwenzela usuku lube ngumnyaka, usuku lube ngumnyaka;

7 Ke ububêkise ubuso bakô elungqingweni lwe-Yerusalem; nengalo yakô ihlutyiwe; uprofetele kuyo.

8 Yabona, ndikufaka izintya, ukuze ungaguqukeli ngelinye icala ude uzigqibe intsuku zokungqinga kwakô.

9 Wena-ke, tâbatâ inqôlowa ne-fasi nembontye, nentlumayo, namazimbâ, nespelete, uzigalele ezonto sityeni sinye, uzenzele wena isonka; ngokwenani lentsuku olala ngecala lakô, uya kusidla intsuku ezimakûlu matâtû anamanci asitôba.

10 Ukudla kwakô oya kukudla kube ngokomlinganiselo, i-shekele ezimashumi mabini ngosuku; uya kusidla amaxesha ngamaxesha;

11 Namanzi uwasele ngomlinganiselo, isahlulo sesitândatû se-hin; uya kusisela amaxesha ngamaxesha.

12 Uya kusidla ngokwesonka esiliqebengwana se-fasi, usoje emehlweni abo ngengqatâ ezipûma emntwini.

13 Watî u-Yehova, Onyana baka-Sirayeli baya kwenje njalo ukusidla siyinqambî ezintlangeni, endiya kubagxotêla kuzo.

14 Ndatî, Awu! Nkosi Yehova! yabona, umpêfumlo wam awuzange wenziwe inqambî; into ezifeleyo neqwengiweyo andizange ndiyidle kwasebuncinaneni bam unanamhla; akufikanga nyama iyimbôzisa emlonyeni wam.

15 Watî kum, Uyabona, ndikunika amalongo enkomo esikûndleni sengqatâ zomntu, soje kuwo isonka sakô.

16 Watî kum, Nyana ka-Adam, yabona, ndiyawapûla umsimelelo osisonka e-Yerusalem, basidle isonka ngomlinganiselo, benesitûkutôzi, bawasele amanzi ngomlinganiselo, bemangalisiwe;

17 Ukuze baswele isonka namanzi, bamangalisane, bangcungcutêke ebugwenxeni babo.

5 Wena-ke nyana ka-Adam, tâbatâ ifele elibukâli, libe sisitshetshe sokuguya, ulihambîse entloko yakô nasesilevini sakô, utâbatê i-skali sokulinganisela, uzahlule inwele;

2 Esinye isahlulo sesitâtû usitshise ngomlilo esazulwini somzi, zakuzaliseka intsuku zongqingo; utâbatê nesinye isahlulo sesitâtû usixabele ngefele ngenxa zonke kuwo; nesinye isahlulo sesitâtû

Digitized by Google

usicîtâcîtê emoyeni, ndifole ifele emva kwazo;

3 Utâbatê kuzo zibe mbalwa, uzibopê esondweni lengubo yakô;

4 Ubuye utâbatê kuzo, uzipôse emlilweni, uzitshise ngomlilo. Kôn' apô kuya kupûma umlilo, uye kuyo yonke indlu ka-Sirayeli.

5 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Le-Yerusalem ndiyimise esazulwini sentlanga, amazwe angenxa zonke kuyo.

6 Ke iwapîkisile ngokungendawo amasiko am ngapêzu kwentlanga, nemimiselo yam ngapêzu kwamazwe angenxa zonke kuyo; ngokuba bawacekisile amasiko am, abahambâ ngemimiselo yam.

7 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba nangxola ngapêzu kwentlanga ebezingenxa zonke kuni, anahambâ ngemimiselo yam, anawenza amasiko am, anenza nangokwamasiko entlanga ebezingenxa zonke kuni:

8 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, mna, ewe mna ndikucâsile, ndenze izigwebo esazulwini sakô emehlweni entlanga;

9 Ndenze kuwe, endingazanga ndikwenze, endingayi kubuya ndikwenze okunjalo ngenxa yamasikizi akô onke.

10 Ngako oko oyise baya kudla onyana esazulwini sakô, onyana badle oyise; ndenze izigwebo kuwe, ndiwacîtâcîtê onke amasalela akô emimoyeni yonke.

11 Ngako oko, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndihleli-nje, inyaniso, ngenx' enokuba ingewele yam uyenze inqambî ngento zakô zonke ezinezotê, nangamasikizi akô onke: nam ndiya kulisusa iliso lam lingabi nanceba, ndingacongi nam.

12 Isahlulo sesitâtû kuwe siya kufa yindyikitya yokufa, sipêle nayindlala esazulwini sakô; esinye isahlulo sesitâtû siwe ngefele ngenxa zonke kuwe; esinye isahlulo sesitâtû ndisicîtâcîtê emimoyeni yonke, ndifole ifele emva kwabo;

13 Upêlele kubo umsindo wam, ndibupôlisele kubo ubushushu bam, nditûtûzeleke; bazi ukuba mna Yehova nditêtê ndinekwele, ekubupêleliseleni ubushushu bam kubo;

14 Ndikwenze ube linxuwa nesingcikivo ezintlangeni ezingenxa zonke kuwe, emehlweni abo bonke abadlulayo;

15 Ube singcikivo nesinyeliso, ube sitêtîso nommangaliso kwintlanga ezingenxa zonke kuwe, ekwenzeni kwam izigwebo kuwe ngomsindo nangobushushu, nangezohlwayo zobushushu; mna Yehova nditêtile;

16 Ekuzitûmeni kwam kuwe intolo ezimbî zendlala ezizezolonakaliso, endiya kuzitûma ukuze zinonakalise; ndiyandise indlala pêzu kwenu, ndiwapûle umsimelelo osisonka kuni;

17 Nditûme pêzu kwenu indlala namafamncwa, akuhlute abantwana, ifikelele kuwe indyikitya yokufa negazi, ndikuzisele ifele; mna Yehova nditêtile.

6 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô ezintabeni zakwa-Sirayeli, uprofetele kuzo,

3 Utî, Yivani, nina zintaba zakwa-Sirayeli, ilizwi le-Nkosi u-Yehova: Itsho i-Nkosi u-Yehova kwintaba nakwinduli, kwizihlambô nakwimifula, ukutî, Yabonani, ndinizisela ifele, ndizidilize izigânga zenu,

4 Zibe ngamanxuwa izibingelelo zenu, zapûlwe izitîxo zenu zelanga, ndibakâhlele ababuleweyo benu pâmbî kwezigodo zenu,

5 Ndizibeke izidûmbû zonyana baka-Sirayeli pâmbî kwezigodo zabo, ndiwacîtâcîtê amatâmbô enu ngenxa zonke ezibingelelweni zenu;

6 Imizi ibe ngamanxuwa ezindaweni zonke zokuhlala kwenu, zicîtâkale iziganga; ukuze zicîtâkale zibe ngamanxuwa izibingelelo zenu, zapûlwe zipêle izigodo zenu, zigaulwe izitîxo zenu zelanga, icinywe imisebenzi yenu;

7 Awe obuleweyo esazulwini senu; nazi ukuba ndingu-Yehova;

8 Ndishiye amasalela ngokutî, kube kô kuni abasindileyo efeleni pâkatî kwentlanga, ekucîtâcîtwêni kwenu emazweni;

9 Abasindileyo benu bandikûmbûle pâkatî kwentlanga abatînjelwe kuzo, xa nditê ndayapûla intliziyo yabo ehenyuzayo, eyemkayo kum, namehlo abo abehenyuza ngokulandela izigodo zabo; baruquke bububi ababenzileyo ngokusingisele emasikizini abo onke;

10 Bazi ukuba ndingu-Yehova. Andifumane ndatêtâ ndatî, Ndiya kubenza obububi kubo.

Digitized by Google

11 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Betâ esandleni sakô, ungqishe ngonyawo lwakô, utî, Yeha ngenxa yawo onke amasikizi amabi endlu ka-Sirayeli, kuba bayakuwa ngeřele, nangendlala, nangendyikitya yokufa.

12 Okude uya kufa ngendyikitya yokufa; okufupî awe ngeřele; nosale walondolozwa afe ngendlala; ndibupêlelisele kubo ubushushu bam;

13 Nazi ukuba ndingu-Yehova, bakuba ababuleweyo benu bepâkatî kwezigodo zenu ngenxa zonke ezibingelelweni zenu, ezindulini zonke ezipâkamileyo, ezincotsheni zonke zentaba, napântsi kwemitî yonke eluhlaza, napântsi kwemikôba etêshinyi, ezindaweni ababenikela kuzo ivumbâ elitôzamisayo kwizigodo zabo zonke;

14 Ndisolule isandla sam pêzu kwabo; ndilenze ilizwe kube senkangala yakwankangala, ngapêzu kwentlango yakwa-Dibelata, ezindaweni zonke zokuhlala kwabo; bazi ukuba ndingu-Yehova.

7 Kananjalo kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Wena, wena-ke nyana ka-Adam, itsho i-Nkosi u-Yehova kumhlaba wakwa-Sirayeli, ukutî, Isipêlo; isipêlo siwafikele amasondo omane elizwe.

3 Kaloku isipêlo siyakufikela, ndikûpêle umsindo wam kuwe, ndikugwebe ngokwendlela zakô, ndiwabeke pêzu kwakô amasikizi akô onke;

4 Lingabi nanceba kuwe iliso lam, ndingakucongi; ke ndiya kukuzisela indlela zakô, abe sesazulwini sakô amasikizi akô; nazi ukuba ndingu-Yehova.

5 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ububi, ububi obubodwa; yabonani, buyeza.

6 Kuza isipêlo, isipêlo sona siyeza, sikuvukele wena; yabona siyeza.

7 Uyakuzela umjojo, mmi welizwe-eli; liyeza ixesha, isondele imini; kusisaqunge, akungamayéyéyé emihlali ezintabeni.

8 Ngoku kwakufupî-nje ndiya kutûlula pêzu kwakô ubushushu bam, ndiwupêlelisele kuwe umsindo wam, ndikugwebe ngokwendlela zakô, ndiwabeke pêzu kwakô onke amasikizi akô;

9 Lingabi nanceba kuwe iliso lam, ndingakucongi; ke ndiya kuwabeka pêzu kwakô ngokwendlela zakô amasikizi akô pâkatî kwakô; nazi ukuba mna Yehova ndingobetâyo.

10 Nantso lomini; nango-ke isiza; upûma umjojo, lupuma amatûpa uswazi, kuyatyatyambâ ukukûkûmala.

11 Ugonyamelo lupâkame lwaba luswazi lokungendawo; akuyi kubakô namnye kubo osalayo, kungabikô nto kwingxokolo yabo, kungabikô nto kwintabalala yabo; kungabikô njuze isalayo kubo.

12 Lifikile ixesha, isondele imini; otêngayo makangavuyi, otêngisayo makangenzi sijwili; ngokuba ukuvutâ komsindo kuyayizela yonke ingxokolo yakô-na.

13 Ngokuba otêngisayo akayi kubuyela entweni abetêngise ngayo, nokuba ubesadla ubomi pâkatî kwabadla ubomi; ngokuba umbono ongengxokolo yonke yakô-na awuyi kubuya umva; kungabikô bani ubomelezayo ubomi bakê ebugwenxeni bakê.

14 Bavutêla isigodlo, balungisa konke; kodwa akukô namnye oya ekulweni; ngokuba ubushushu bam buyizele ingxokolo yabo yonke.

15 Ngeřele ngapândle, ngendyikitya yokufa nendlala ngapâkatî; osendle uya kufa ngeřele, opâkatî komzi adliwe yindlala nayindyikitya yokufa.

16 Ke abasindileyo kubo bosinda ezintabeni njengamahobe asemifuleni, bedumzela bonke bepêla, elowo edumzela ngobugwenxa bakê.

17 Zonke izandla ziya kuwa, onke amadolo aye angabi namandla;

18 Babînqe ezifwexayo, bagutyungelwe kududuzela, ebusweni bonke ibe kudana, intloko zabo zonke zibe zinqayi.

19 I-silvere yabo baya kuyipôsa ezi-trateni, ne-golide yabo ibe yinto encôlileyo kubo. I-silvere yabo ne-golide yabo ayiyi kuba nakô ukubahlangula ngemini yokupûpûma komsindo ka-Yehova; abayi kuwuhlutisa ngayo umpêfumlo wabo, nombilini wabo bangawuzalisi ngayo; ngokuba yaba sikûbekiso sokuba babe gwenxa.

20 Isivatô sabo esinobukazikazi basimisela iratshi, benza ngaso imifanekiso yabo engamasikizi, enezotê; ngenxa yoko ndiyenze yayinto encôlileyo kubo;

21 Ndiyinikele esandleni sabasemzini u-

Digitized by Google

kuba ipângwe, nakwabangendawo bomhlaba ibe lixôba, bayihlambêle;

22 Ndibususe ubuso bam kubo, bayihlambêle ingqwebo yam; bafike abatŷobozi, bayihlambêle.

23 Yenza umxokelelwane; ngokuba ilizwe lilipâlaza igazi elimsulwa, nomzi uzele lugonyamelo;

24 Ndizise abanobubi basezintlangeni, bazihlute izindlu zabo, ndilipêlise iratshi labanamandla, zihlanjelwe ingcwele zabo.

25 Kuyafika ukuxalaba; bafuna uxolo, alukô.

26 Kuza umeyeliselo pêzu komeyeliselo, kubekô udaba pêzu kodaba; bafune umbono kum-profeti, ke umyalelo utshabalale ungabikô kumenzeleleli, neqinga kumadoda amakûlu.

27 Ukumkani uya kwenza isijwili, nesikûlu sambâtê ummangaliso, ziyekelele izandla zabantu belizwe eli. Ndiya kwenza kubo ngokwendlela yabo, ndibagwebe ngokwezigwebo zabo; bazi ukuba ndinguYehova.

8 Kekaloku kwatî ngomnyaka wesitândatû, *ngenyanga* yesitândatû, ngolwesihlanu enyangeni-leyo, ndihleli endlwini yam, namadoda amakûlu akwaYuda ehleli pâmbî kwam, sawa pêzu kwam kôna isandla se-Nkosi u-Yehova.

2 Ndabona, nantso into efana nendoda ukubonakala kwayo; kutâbatêle esinqeni sayo kwehlisa kubonakala ingumlilo; kutâbatêle esinqeni sayo kunyuse ngatî kubonakala kokukâzimla, ngatî yimbônakalo ye-golide evutîweyo.

3 Wolula into emilise okwesandla, wandibambâ ngesihlwitâ sentloko yam; umoya wandifunqula ndapâkatî komhlaba nezulu, wandisa e-Yerusalem ngemibono ka-Tixo, ekungeneni kwesango *lentendelezo* epâkatî elibêke ngase-Ntla, apô bekuhleli kôna umfanekiso wobukwêle okwêletisayo.

4 Nabo-ke bukôna ubuqaqauli buka-Tîxo ka-Sirayeli bunjengombono endawubonayo entilini-leyo.

5 Watî kum, Nyana ka-Adam, kâuwapâkamise amehlo akô, ukângele ngase-Ntla. Ndawapâkamisa-ke amehlo am, ndakângela ngase-Ntla: nanko ngase-Ntla kwesango lesibingelelo kukô lomfanekiso wobukwêle usekungeneni kwalo.

6 Watî kum, Nyana ka-Adam, uyakubona-na abakwenzayo? ngamasikizi amakûlu la, iwenzayo apâ indlu ka-Sirayeli, ukuze ndikwêlele kude nengcwele yam? usa kubuye ubone amasikizi amakûlu kunalâ.

7 Wandisa-ke ekungeneni kwentendelezo; ndabona: nango „umnxuma eludongeni.

8 Watî kum, Nyana ka-Adam, kâugqoboze eludongeni. Ndagqoboza-ke eludongeni: nanko kukô umnyango.

9 Watî kum, Yiza, ubone amasikizi amabi, abawenzayo apâ.

10 Ndangena, ndabona: nanzo zonke izinto ezimilise okwesinambûzane nenkomo, izinto ezinezotê, nezigodo zonke zendlu ka-Sirayeli zifoliwe eludongeni ngeuxa zonke;

11 Kumi pâmbî kwazo amadoda angamashumi asixênxe kumadoda amakûlu endlu ka-Sirayeli, no-Yazaniya unyana ka-Shafan emi pâkatî kwawo, iyileyo ipete ngesandla isiqûmiselo, kunyuka ivumba lelifu lokuqûmisela.

12 Watî kum, Nyana ka-Adam, ukubonile-na akwenzayo emnyameni amadoda amakûlu endlu ka-Sirayeli, iyileyo ezingontsini zayo ezinemifanekiso? ngokuba besitî, U-Yehova akasiboni, u-Yehova ulilahlile ilizwe.

13 Watî kum, Usa kubuye ubone amasikizi amakûlu abawenzayo kunalâ.

14 Wandisa ekungeneni kwesango lendlu ka-Yehova elingase-Ntla; nanko kuhleli abafazi apô, belilela u-Tamuzi.

15 Watî kum, Ubonile-na, nyana ka-Adam? usa kubuye ubone amasikizi amakûlu abawenzayo kunalâ.

16 Wandisa entendelezweni epâkatî yendlu ka-Yehova: nanko ekungeneni e-tempileni ka-Yehova, pâkatî kwe-varanda nesibingelelo, kukô amadoda angatî angamashumi amabini anamahlanu eyimkê umva i-tempile ka-Yehova, ubuso bawo bubêke empumalanga; equbuda kwilanga ebêke empumalanga.

17 Watî kum, Ubonile-na, nyana ka-Adam? Kuncinane-na kwindlu ka-Yuda ukuwenza lamasikizi bawenzayo apâ, ukuba-ke balizalise ilizwe nangogonyamelo, babuye bandiqumbîse? nabo besisa isebe lom-diliya ematâtêni abo.

Digitized by Google

18 Nam ndiya kwenza ngobushushu; aliyi kuba nanceba iliso lam, ndibaconge; nokuba badanduluke ezindlebeni zam ngezwi elikûlu, andiyi kubeva.

9 Wabiza ngezwi elikûlu ezindlebeni zam, esiti, Sondelani, baveleli bomzi, elowo epêtê ngesandla izixôbo zakê zokutshabalalisa.

2 Nanko-ke kusiza amadoda amatândatû ngendlela yesango elipêzulu, elikângele e-Ntla, iyileyo ipêtê ngesandla izixôbo zayo zokuhlekeza; kukô indoda pâkatî kwawo eyambêtê i-linen emhlope, inezinto zokubâla etângeni layo; eza-ke ema ecaleni kwesibingelelo sobêdu.

3 Ubuqaqauli buka-Tixo ka-Sirayeli bebunyuka busuka e-kerubini, obebupêzu kwayo, baya emnyango wendlu. Wamemeza endodeni eyambêtê i-linen emhlope, enezinto zokubâla etângeni layo.

4 Watî u-Yehova kuyo, Canda esazulwini somzi, esazulwini se-Yerusalem, ubeke upâwu emabunzini amadoda agcumayo, ancwinayo ngenxa yamasikizi onke awenzekayo esazulwini sayo.

5 Watî kwamanye ezindlebeni zam, Candani esazulwini somzi emva kwayo, nixabele; malingabi nanceba iliso lenu, ningabacongi.

6 Amaxêgo, amadodana nomtînjana, abantwana nabafazi babulaleni, ukuze batshabalale; ke bonke abantu abanopâwuolo, musan' ukufika kubo; niqalele-ke engcweleni yam. Aqala-ke ngamadoda amakûlu abepâmbî kwendlu.

7 Watî-ke kuwo, Yenzeni inqambî indlu-le, nizizalise intendelezo ngababuleweyo; pûmani niye. Apûma-ke abulala kuwo umzi.

8 Kwatî, xa ababulalayo, ndisele mna; ndawa ngobuso, ndakâla, ndatî, Awu! Nkosi Yehova, uya kuwatshabalalisa onke-na amasalela ama-Sirayeli ngokubutûlula ubushushu bakô pêzu kwe-Yerusalem?

9 Watî kum, Ubugwenxa bendlu ka-Sirayeli nobeyeka-Yuda bukûlu kakûlu kunene, nelizwe lizele ligazi, nomzi uzele bugqwetâ; ngokuba besitî, U-Yehova ulilahlile ilizwe, u-Yehova akaboni.

10 Ke nam aliyi kuba nanceba iliso lam, ndibaconge; ndiya kubanika ngokwendlela yabo entloko yabo.

11 Nantso indoda eyayambêtê i-linen emhlope, ebi nezinto zokubâla etângeni layo, ibuya nelizwi elitî, Ndenze njengoko ubundiwisele umtêtô ngako.

10 Ndabona: nanko pêzu kwesibâkabâka ebesipêzu kwentloko ye-kerubi, kunjengelitye le-safire, kubonakala ngatî umfanekiso we-trone, wabonakala pezu kwazo *u-Yehova.*

2 Watêtâ kwindoda eyayambêtê i-linen emhlope, watî, Yiya pâkatî kwe-vili ezijikajikayo ngapântsi kwe-kerubi, uzalise izandla zakô ngamalahle omlilo, uwatâbatê pâkatî kwe-kerubi, uwasasaze pêzu kwawo umzi. Yangena ndiyibone.

3 I-kerubi bezimi ngasekunene kwendlu, ekungeneni kwendoda-leyo; ilifu layizalisa intendelezo epâkatî.

4 Benyuka ubuqaqauli buka-Yehova, besuka ezi-kerubini, baya emnyango wendlu. Yazala indlu lilifu, nentendelezo yazala buhlope bobuqaqauli buka-Yehova.

5 Savakala isandi samapîko e-kerubi sada saya entendelezweni engapândle, sinjengezwi lo-Somandla akutêtâ.

6 Kwatî, akuyiwisela umtêtô indoda eyayambêtê i-linen emhlope, esiti, Tâbatâ umlilo pâkatî kwe-vili ezijikajikayo, pâkatî kwe-kerubi, isuke ingene ime ecaleni kwe-vili.

7 Ibisuka-ke ikerubi, isolule isandla sayo pâkatî kwe-kerubi, isise emlilweni opâkatî kwe-kerubi, iwutâbate, iwunikele esandleni sowambêtê i-linen emhlope; ebewutâbatâ-ke apûme.

8 Kwabonakala-ke ezi-kerubini into efana nesandla somntu pântsi kwamapîko azo.

9 Ndabona, nanzo i-vili ezine zisecaleni le-kerubi, i-vili enye isecaleni le-kerubi enye, i-vili enye isecaleni le-kerubi enye, ukubonakala kwe-vili ngati yimbônakalo yelitye le-krizoliti.

10 Ngokubonakala kwazo zozine bezimfan'inye, njengokungatî kukô i-vili ngapâkatî kwe-vili.

11 Ekuhambêni kwazo zahambâ zaya kumacala azo omane; azajika ekuhambêni kwazo; ngokuba apô sukuba leyo ipâmbîli ibibêka kôna, beziyilandela; zingajiki ekuhambêni kwazo.

12 Ke umzimbâ wazo wonke, nomhlana wazo, nezandla zazo, namapîko azo,

Digitized by Google

ne-vili, bezizele ngamehlo ngenxa zonke, zozine bezine-vili zazo.

13 I-vili, ezo zabizwa ezindlebeni zam, kwatíwa, Zi-vili ezijikajikayo.

14 Inye ibi nobuso obune: ubuso bokuqala ibubuso be-kerubi, ubuso besibini ibubuso bomntu, obesitâtû ibubuso bengonyama, obesine ibubuso bokôzi.

15 Zenyuka i-kerubi; yilanto ipílileyo ndayibonayo emlanjeni oyi-Kebare.

16 Ekuhambèni kwe-kerubi zahambâ i-vili ecaleni lazo; nasekuwapâkamiseni kwe-kerubi amapíko azo ukuba zisuke emhlabeni, azijikanga ne-vili zazo, zimke ecaleni lazo.

17 Ekumeni kwazo zema nazo; ekusukeni kwazo ukuba *zipápâzele*, zesuka nazo; ngokuba umoya wento epílileyo ubukô kuzo:

18 Bapûma-ke ubuqaqauli buka-Yehova, bemka emnyango wendlu, beza kuma pêzu kwe-kerubi.

19 I-kerubi zawapâkamisa amapíko azo, zasuka emhlabeni emehlweni am, ekupûmeni kwazo i-vili zazingakuzo. Zema ekungeneni kwesango lendlu ka-Yehova elisempumalanga; ubuqaqauli buka-Tíxo ka-Sirayeli bupêzu kwazo ngapêzulu.

20 Yilanto ipílileyo ndayibonayo pântsi ko-Tíxo ka-Sirayeli emlanjeni oyi-Kebare; ndazi-ke ukuba zizi-kerubi.

21 Inye ibi nobuso obune, inye ibi namapíko amane, imfano yezandla zomntu ingapântsi kwamapíko azo.

22 Ke imfano yobuso bazo, ibi bobabuso ndabubonayo emlanjeni oyi-Kebare, nokubonakala kwazo nazo ngokwazo; bezihambâ iyileyo ziye kwicala elikângelene nobuso bayo.

11 Wandifunqula umoya, wandisa esangweni lendlu ka-Yehova langasempumalanga, elibêke empumalanga; nanko ekungeneni kwesango kukô amadoda angamashumi amabini anamahlanu; ndabona pâkatí kwawo u-Yazaniya unyana ka-Azure, no-Pelatiya unyana ka-Benaya, abatêtêli babantu.

2 Watí kum, Nyana ka-Adam, ngawo la amadoda acinga inkohlakalo, aceba amacebo amabi kulomzi;

3 Atshoyo ukutí, Alikasondeli ixesha lokwakâ izindlu; lomzi yimbíza, tina-ke siyinyama.

4 Ngako oko profetela kuwo, profeta, nyana ka-Adam.

5 Wandiwela-ke umoya ka-Yehova, watí kum, Yití, Utsho u-Yehova ukutí, Nitshilo nina, ndlu ka-Sirayeli; nezinto ezitê-qatâ embyeni wenu ndiyazazi mna.

6 Ndibandisile ababuleweyo benu kulomzi, nazizalisa izi-trate zawo ngababuleweyo.

7 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ababuleweyo benu, ebenibabeka pântsi pâkatí kwawo, bayinyama, wona-ke *umzi* uyimbíza; nina niya kukûtshwa pâkatí kwawo.

8 Niyaloyika iřele; ndiya kunizisela iřele, itsho i-Nkosi;

9 Ndinikûpê pâkatí kwawo, ndininikele esandleni sabasemzini, ndizenze izigwebo kuni.

10 Niya kuwa ngeřele; ndiya kunigweba emdeni wakwa-Sirayeli; nazi ukuba ndingu-Yehova.

11 Wona *lomzi* awuyi kuba yimbíza kuni, anikuba yinyama nina pâkatí kwawo; ndiya kunigweba emdeni wakwa-Sirayeli;

12 Nazi ukuba ndingu-Yehova, imimiselo yam anihambânga ngayo, namasiko am anawenza; nesuka nenza ngokwamasiko entlanga ezingenxa zonke kuni.

13 Kwatí-ke ndakuprofeta, wafa u-Pelatiya unyana ka-Benaya. Ndawa ngobuso bam, ndakâla ngelizwi elikûlu, ndatí, Awu, Nkosi Yehova! uyawagqibela kupêle-na wena amasalela akwa-Sirayeli?

14 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, litsí,

15 Nyana ka-Adam, abazalwana bakô, abazalwana bakô ngamadoda akowenu, nendlu yonke yakwa-Sirayeli yonke ipéla. yona leyo, batí ngayo abemi base-Yerusalem, Bakude ku-Yehova; linikwe tína ilizwe ukuze sime kulo;

16 Ngako oko yití, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ekubeni ndibakwelelisele ezintlangeni, ndababapângalalisa emazweni; ke ndoba yingcwele kubo umzuzwana omncinane kulomazwe baye kuwo.

17 Ngako oko yití, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ndiya kunibutâ ezizweni, ndinihlanganise emazweni enilusali kuwo, ndininike umhlaba wakwa-Sirayeli;

18 Bafike kuwo, bazisuse kuwo zonke

Digitized by Google

izinto zawo ezinezotê namasikizi awo onke;

19 Ndibanike ntliziyo yimbî, ndibeke umoya omtsha ngapâkatî kwenu; ndiyisuse intliziyo yelitye enyameni yabo, ndibanike intliziyo yenyama;

20 Ukuze bahambê ngemimiselo yam, bagcine amasiko am, bawenze, babe ngabantu bam, mna ndibe ngu-Tixo wabo.

21 Ke bona abantliziyo ihambâ ngokwentliziyo yento zabo ezinezotê nezingamasikizi abo, ndiya kubanika ngokwendlela yabo entloko yabo, utsho u-Yehova.

22 I-kerubi zawapâkamisa amapîko azo, kwa ne-vili ezi ngakuzo; ubuqaqauli buka-Tîxo ka-Sirayeli baba pêzu kwazo ngapêzulu.

23 Benyuka ubuqaqauli buka-Yehova, besuka pâkatî komzi, bema entabeni engasempumalanga kuwo umzi.

24 Umoya wandifunqula, wandisa kwelama-Kaledi kubatînjwa, ndisembonweni, ngomoya ka-Tîxo. Wenyuka wemka kum umbono ebendiwubona.

25 Ndatêtâ kubatînjwa onke amazwi ka-Yehova, abendibonisile.

12 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, uhleli pâkatî kwendlu enenkani; banamehlo okubona, ababoni; banendlebe zokuva, abeva; ngokuba beyindlu enenkani.

3 Wena-ke nyana ka-Adam, zilungisele impahla zomfuduka, ufuduke emini emehlweni abo, ufuduke endaweni yakô, uye endaweni yimbî emehlweni abo, mhlaumbî bobona; ngokuba beyindlu enenkani;

4 Uyikûpe impahla yakô ngokwempahla zemfuduka emini emehlweni abo? ke wena upume ngokuhlwa emehlweni abo njengokupûma kwabatînjwa.

5 Gqoboza eludongeni emehlweni abo, uyikûpê ngakôna.

6 Yitwale ngamagxa emehlweni abo, yikûpê kutsu mnyama, bugqubutêle ubuso bakô, ungalikângeli ilizwe; ngokuba ndikwenze isimanga kwindlu ka-Sirayeli.

7 Ndenje njalo njengoko ndawiselwa umteto ngako; ndayikûpâ emini impahla yam ngokwempahla yemfuduka; ngokuhlwa ndazigqobozela eludongeni ngesandla, ndayikûpâ kutsu mnyama, ndayitwala ngamagxa emehlweni abo.

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum kusasa, lisitî,

9 Nyana ka-Adam, indlu ka-Sirayeli, indlu enenkani ayitshongo-na kuwe ukutî, Wenza nto-nina?

10 Yitî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ezizihlabo zisingisele kwisikûlu esise-Yerusalem, nakwindlu yonke ka-Sirayeli, abapâkatî kwayo abatînjiweyo.

11 Yitî, Ndisimanga kuni; njengoko ndenze ngako, kuya kwenzeka ngokunjalo kubo; baya kufuduswa batînjwe.

12 Isikûlu esipâkatî kwabo siya kuyitwala ngamagxa kutsu mnyama, sipûme; baya kugqoboza eludongeni ukuba bayikûpê ngakôna; siya kugqubutêla ubuso baso sona, kuba singayikulikângela ilizwe ngamehlo.

13 Ndiwutwabulule umnatâ wam pêzu kwaso sibanjiswe ngumgibe wam; ndisise e-Babeli ezweni lama-Kaledi; ke asiyi kulibona, noko siya kufela kôna;

14 Ndikucîtâcîtê emimoyeni yonke konke esipâhliwe kuko, abancedisi baso namahlelo aso onke, ndifole ifele emva kwabo;

15 Bazi ukuba ndingu-Yehova, ekubapângalaliseni kwam ezintlangeni, ndibacîtâcîtê emazweni;

16 Ndishiye kubo amadoda ambalwa, asinde ereleni, nasendlaleni, nasendyikityeni yokufa; ukuze bawabalise amasikizi abo onke ezintlangeni, abaye kuzo; bazi ukuba ndingu-Yehova.

17 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

18 Nyana ka-Adam, wosidla isonka sakô ungcangcazela, uwasele amanzi akô ugungqa, unesitûkutêzi;

19 Utî kubantu belizwe, Itsho i-Nkosi u-Yehova ngokusingisele kubemi base-Yerusalem, emhlabeni wakwa-Sirayeli, ukutî, Isonka sabo bosidla benesitûkutêzi, bawasele amanzi abo bemangalisiwe; ukuze ezweni labo kube senkangala, ingabikô inzaliseko yalo ngenxa yogonyamelo lwabo bonke abahleli kulo,

20 Ibe ngamanxuwa imizi emiweyo, kube senkangala elizweni; nazi ukuba ndingu-Yehova.

21 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

22 Nyana ka-Adam, uyinto-nina lomze-

Digitized by Google

keliso ninawo emhlabeni wakwa-Sirayeli, wokutî, Imihla iyoluka, iyadaka imibono yonke?

23 Ngako oko yitî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiya kuwenza upêle lomzekeliso, bangabi sazekelisa ngawo kwa-Sirayeli; ke, yitî kubo, Isondele imihla nesipêlo semibono yonke.

24 Ngokuba akuyi kuba sabakô namnye umbono okohlakeleyo nokuvumisa okucengacengayo pâkatî kwendlu ka-Sirayeli.

25 Ngokuba ndingu-Yehova, ndiya kutêtâ; ilizwi endisukuba ndilitêtâ liya kwenzeka, lingayi kulibala; ngokuba ngemihla yenu, ndlundini enenkani, nditêtâ ilizwi, ndilenze, itsho i-Nkosi u-Yehova.

26 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

27 Nyana ka-Adam, yabona, indlu ka-Sirayeli itî, Umbono, awubonayo yena lo, ngowemihla emininzi, uprofetele amaxesha akude.

28 Ngako oko yitî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Akayi kuba salityaziswa onke amazwi am; ilizwi endisukuba ndilitêtâ liya kwenzeka, itsho i-Nkosi u-Yehova.

13 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, profeta ngabo abaprofeti bakwa-Sirayeli abaprofetayo, utî kwabaprofeta okwentliziyo yabo, Yivani ilizwi lika-Yehova.

3 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yehake aba-profeti abanobudenge, abalandela owabo umoya, nento abangayibonanga!

4 Baba njengempungutye emanxuweni aba-profeti bakô, Sirayeli.

5 Aninyukanga niye ematûtyeni, niyibiyele ngodonga indlu ka-Sirayeli, ukuze nake uluhlu lokulwa ngomhla ka-Yehova.

6 Babona into ekohlakeleyo nokuvumisa okungamanga abo batî, Utsho u-Yehova, u-Yehova engabatûmanga, noko balinda ukuqiniswa kwelozwi.

7 Anibonanga mbono wankohlakalo-na nakuvumisa okungamanga-na, nisitî-nje, Utsho u-Yehova; ndingatêtânga mna?

8 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenxa yokuba nitête into ekohlakeleyo, nibona amanga: ngako oko yabonani, ndinicâsile, itsho i-Nkosi u-Yehova.

9 Isandla sam sicâsa aba-profeti ababona into ekohlakeleyo, bavumise amanga. Abayi kubakô ekucweyeni kwabantu bam, bangabâlwa encwadini yomlibo wendlu ka-Sirayeli, bangangeni emhlabeni wakwa-Sirayeli; nazi ukuba ndiyi-Nkosi u-Yehova.

10 Ngenxa yokuba, ewe ngenxa yokuba bebandwendwisile abantu bam, besitî, Luxolo, kungekô luxolo; batî, bakwaka udonga bona, yabona abaya balutyabeka ngodaka olulifutâ.

11 Yitî kwabatyabeka ngodaka olulifutâ, Luya kuwa; kuza isipângo esikûkûlayo; nina-ke matye esicôto, yiwani; wena moya usisaqwîtâ uvutûvutûzayo, qutâ.

12 Xa-ke lutê-lwawa udonga; akuyi kutîwa-na kuni, Kupîna ukutyabeka enatyabeka ngako?

13 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiqutîse umoya ovutûvutûzayo ngobushushu bam; kuze nesipângo esikûkulayo ngomsindo wam, namatye ezicôto ngobushushu, ukuba kugqityelwe kupêle;

14 Ndilugungxule udonga enalutyabeka ngodaka olulifutâ, ndiluwise emhlabeni, sityilekile isiseko salo, luwe, nipêlele kwesositûba sawo; nazi ukuba ndingu-Yehova.

15 Ndibupêlelisele eludongeni ubushushu bam, nakwabatyabeka ngodaka olulifutâ, nditî kuni, Alusekô udonga, abasekô abatyabeki balo,

16 Aba-profeti bakwa-Sirayeli ababeprofeta nge-Yerusalem, ababebona umbono woxolo, kungekô luxolo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

17 Wena-ke nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô kwintombî zabantu bakowenu, eziprofeta okwentliziyo zazo, uprofete ngazo,

18 Utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yeha-ke abo batûnga izibopêlelo ezihlahleni zezandla zonke, benze izigubungelo ezilingene intloko zonke, ukuze batiyele imipefumlo! Niyitîyele imipêfumlo yabantu bam, nayisindisa eyenu imipefumlo.

19 Nindihlambêle kubantu bam ngenxa ye-ßasi esutywe ngezandla, nangenxa yamaqêkeza esonka, ukuze nibulale imipêfumlo ebinge yakufa, nisindise imipêfumlo ebenge yakusindiswa, ngamanga enu ebantwini bam abava amanga.

20 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova

Digitized by Google

ukutí, Yabonani, ndicâsile izibopêlelo zenu, enitíyela ngazo imipêfumlo njengentaka; ndiziqâule ezingalweni zenu, ndiyindulule imipêfumlo, kwa imipêfumlo eniyitíyeleyo, njengentaka.

21 Ndiziřazule izigubungelo zenu, ndibahlangule abantu bam esandleni senu, bangabi saba yinto etíyelwayo esandleni senu; nazi ukuba ndingu-Yehova.

22 Ngenx' enokuba niyenze buhlungu ngobuxoki intliziyo yelungisa, endingalenzanga buhlungu mna; nazomeleza izandla zongendawo, ukuze angabuyi endleleni yakê embí, asindiswe:

23 Ngako oko aniyi kuyibona into ekohlakeleyo, ningabi savumisa nokuvumisa; ngokuba ndiya kubahlangula abantu bam esandleni senu; nazi ukuba ndingu-Yehova.

14 Kwafika kum amadoda akumadoda amakûlu akwa-Sirayeli, ahlala pântsi pâmbí kwam.

2 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisití,

3 Nyana ka-Adam, lamadoda anyuse izigodo zawo ezintliziyweni zawo, amisa isikûbekiso sokuba abe gwenxa pâmbí kobuso bawo; ndingaquqelwa ndiquqelwe ngawo-na?

4 Ngako oko têtâ nawo, utí kuwo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Elowo nalowo wasendlwini ka-Sirayeli, otê wanyusa izigodo zakê entliziyweni yakê, wamisa isikûbekiso sokuba abe gwenxa pâmbí kobuso bakê, weza kuba-profeti; mna Yehova ndoba ngompêndulayo ngokwam ngokobuninzi bezigodo zakê;

5 Ukuze ndiyixâkamfule indlu ka-Sirayeli ngentliziyo yabo, ekubeni beshenxile kum bonke bepêla ngezigodo zabo.

6 Ngako oko yití kwindlu ka-Sirayeli, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Buyani nizibuyise ezigodweni zenu, nibubuyise ubuso benu kumasikizi enu onke.

7 Ngokuba elowo nalowo wasendlwini ka-Sirayeli, nowasemzini opâmbûkele kwa-Sirayeli, otê wazahlula ekundilandeleni kwakê, wanyusa izigodo zakê entliziyweni yakê, wamisa isikûbekiso sokuba abe gwenxa pâmbí kobuso bakê, weza kum-profeti ukuze aquqele kum ngenxa yake: mna Yehova ndompêndula ngokwam;

8 Ndiyicâse londoda, ndiyipânzise ibe ngumqondiso nomzekeliso, ndimnqumle ebantwini bam; nazi ukuba ndingu-Yehova.

9 Um-profeti, xa atê wafwebeshwa, watêtâ ilizwi, mna Yehova ndimfwebeshile lom-profeti; ndosolula isandla sam pezu kwakê, ndimtshabalalise pâkatí kwabantu bam ama-Sirayeli;

10 Babutwale ubugwenxa babo; njengoko bunjalo ubugwenxa boquqela kuye, buya kuba njalo ubugwenxa bom-profeti lowo;

11 Ukuze indlu ka-Sirayeli ingabi sandwendwa imke ekundilandeleni kwayo, bangabi sazenza inqambí ngeziřeqo zabo zonke, babe ngabantu bam, ndibe ngu-Tixo wabo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

12 Kwafika kum ilizwi lika-Yehova, lisití,

13 Nyana ka-Adam, xa ilizwe litê lona kum, lameneza ngobumenemene, ndasolula isandla sam pezu kwalo, ndawapûla kulo umsimelelo osisonka, ndatûmela kulo indlala, ndanqumla kulo umntu nenkomo;

14 Ekô pâkatí kwalo lamadoda omatâtû o-Nowa no-Daniyeli no-Yobi: wona abeya kuhlangula owawo umpêfumlo kupêla ngobawo ubulungisa, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Ndingafanelana ndicandisa amafamncwa ezweni, alihluta abantwana, kwaba senkangala kulo, akwabikô unokucanda kulo ngenxa yamafamncwa lawo,

16 Ekô pâkatí kwalo lomadoda omatâtû: ndihleli-nje, itsho i-Nkosi, abengayi kuhlangula nanyana nantombí, ebeya kuhlanguleka odwa; ke bekuya kuba senkangala ezweni-elo,

17 Nokuba nditê ndalizisela iřele elozwe, ndatí iřele malicande kwelozwe, ndanqamla kulo umntu nenkomo,

18 Ekô pâkatí kwalo lomadoda omatâtû: ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, bebengayi kuhlangula nyana nantombí; ngokuba ebeya kuhlanguleka wona odwa.

19 Nokuba nditê ndatûmela indyikitya yokufa kwelozwe, ndatûlula ubushushu bam pezu kwalo ngegazi, ukuze ndinqumle kulo umntu nenkomo,

20 Bekô pâkatí kwalo o-Nowa no-Daniyeli no-Yobi: ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, bebengayi kuhlangula nyana nantombí; bona bebeya kuhlangula owabo umpêfumlo kupêla ngobabo ubulungisa.

21 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova u-

Digitized by Google

kutí, Kobeka pîna-ke, xa ndite ndatûmela e-Yerusalem zozine izigwebo zam ezibi, irele, nendlala, namarâmncwa, nendyikitya yokufa, ukuze kunqumke kuyo umntu nenkomo?

22 Yabonani-ke, kuya kusala kuyo abasindileyo, abaya kukûtshwa, abangonyana nentombí; yabonani, baya kupûma beze kuni, niyibone indlela yabo nentlondi zabo; nitûtûzeleke ngenxa yobubi endayizisela bona i-Yerusalem, ngenxa yento yonke endayizisela yona;

23 Banitûtûzele, xa niyibonayo indlela yabo nentlondi zabo; nazi ukuba andifumananga ndikwenze konke endakwenzayo kuyo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Kwafika ilizwe lika-Yehova kum, lisití,

2 Nyana ka-Adam, umtí wom-diliya uyidlula nganto-nina yonke eminye imití, isebe lom-diliya elipâkatí kwemití yehlatí?

3 Ke, kutâtyatwe umtí yinina kuwo wokusebenza umsebenzi? kukè kutâtyatwe nesikonkwane-na kuwo sokuxôma impahla nokuba zizipí?

4 Yabona, ufakwa emlilweni ukuba uwutshise; umlilo utshisa incam zawo zombíni, sirauke isibili sawo: wowulungelana-ke umsebenzi?

5 Yabona, oko ubusewonke, ubunge namsebenzi, wobeka pîna-ke ukungabi namsebenzi, xa utè watshiswa ngumlilo, warauka.

6 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Njengomtí wom-diliya pâkatí kwemití yehlatí, endiwufaka emlilweni ukuze utshiswe: ndenje njalo ukubabeka emlilweni abemi base-Yerusalem.

7 Ndiya kubacâsa; baya kupûma emlilweni, umlilo uya kubatshisa; nazi ukuba ndingu-Yehova ekubacâseni kwam;

8 Ndenze elizweni kube senkangala, ngenxa yokuba bemenezile ngobumenemene, itsho i-Nkosi u-Yehova.

16 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisití,

2 Nyana ka-Adam, yazise i-Yerusalem amasikizi ayo,

3 Utí, Itsho i-Nkosi u-Yehova kwi-Yerusalem, ukutí, Ukuvela kwakô nokuzalwa kwakô kokwasezweni lama-Kanan; uyihlo waye ngum-Amori, unyoko waye ngum-Hetikazi.

4 Ukuzalwa kwakô-ke, ngemini yokuzalwa kwakô ayinqunyulwanga imfesane yakô, akuhlanjwanga ngamanzi ukuba usuleke; akuhlikihlwanga ngetyuwa, akusongelwanga ezisongelweni.

5 Akubangakô liso linenceba kuwe, ukuze wenzelwe noko inye kwezonto, ngokuba nofefe kuwe; walahlelwa endle ngokucatshukelwa kwakô ngemini yokuzalwa kwakô.

6 Ndagqita kuwe, ndakubona ugqushagqusha egazini lakô, ndatí kuwe, Usegazini lakô njalo, pîla; usegazini lakô njalo, pîla!

7 Ndakwenza waba yinyambâlala njengokuntshula kwentsimi; wanda, wakûla, wafika entlahleni yezidlele; wapûma amabele, bahluma uboya bakô; waye-ke wena uzé kanye.

8 Kekaloku ndagqitâ kuwe, ndakubona, nalo ixesha lakô yayilixesha lotândo; ndatwabulula isondo lengubo yam pêzu kwakô, ndabugubungela ubuzé bakô; ndakufungela, ndanqopîsana nawe, itsho i-Nkosi u-Yehova; waba ngowam-ke.

9 Ke ndakuhlambâ ngamanzi, ndakuhlambûlula amagazi akô, ndakutâmbisa nge-oli;

10 Ndakwambêsa ngengubo ezimfakamfele, ndakunxiba izixatûla zesikumbâ semvubu, ndakujikelisa intloko nge-linen ecikizekileyo, ndakugqubutêla nge-silika.

11 Ndakuvatîsa ngesivatô, ndakufaka izacôlo ezihlahleni, nemixokelelwane emqaleni wakô;

12 Ndakunika ikônco lempumlo, namajikazi ezindlebeni zakô, nesitsaba sokuhombâ entloko.

13 Wavatâ-ke i-golide ne-silvere, nezambâtô zakô zaba zeze-linen ecikizekileyo neze-silika nezimfakamfele; wadla umgubo onengiweyo, nobusi, ne-oli; wamhle kakûlu kunene, waya upûmelela ebukumkanini.

14 Lwapuma lwagqiba ilizwe lonke udumo lobuhle bakô; ngokuba bapêleliseka bona ngobungangamela bam, endabubeka pêzu kwakô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Wesuka wakôlosa ngobuhle bakô, wahenyuza ngenxa yodumo lwakô; ubuhenyu bakô wabutûlulela pêzu kwabo bonke abadlulayo; waba ngowabo.

16 Watâbatâ ezingutyeni zakô; izigânga wazenzela in-tente ezifwexu, wahenyuza

Digitized by Google

pêzu kwazo; into ebingafanele kuza, ebingafanele kubakô.

17 Watâbatâ impahla zakô zokuhombâ ze-golide yam neze-silvere yam endakunikayo, wazenzela imifanekiso engamadoda, wahenyuza nayo;

18 Watâbatâ ingubo zakô ezimfakamfele, wayigubungela ngazo, ne-oli yam, nesiqûmiso sam wasibeka pâmbî kwayo;

19 Isonka sam endakunikayo, nomgubo onengiweyo, ne-oli, nobusi, into endakudlisayo zona, wazibeka pâmbî kwayo ukuba zibe livumbâ elitôzamisayo. Kwaba njalo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

20 Watâbatâ onyana bakô nentombî zakô, owazizalela mna, wabingelela ngazo kuyo ukuba idle. Bebubuncinana-na-ke ubuhenyu bakô;

21 Ukuba-nje ubasike onyana bam, ubanikele ngokubacandisa bona emlilweni ngenxa yayo?

22 Emasikizini akô onke nasebuhenywini bakô akuyikûmbûlanga imihla yobuncinane bakô, oko ubuzé kanye, ugqushagqusha egazini lakô.

23 Kwaza kwatî, emva kwezonto zakô zonke ezimbî,—yeha, yeha-ke wena! itsho i-Nkosi u-Yehova,—

24 Wazakêla amanqugwala, wazenzela indawo ezipâkamileyo ezi-trateni zonke,

25 Emantloko endlela zonke wazakêla indawo zakô ezipâkamileyo, wabenza ubuhle bakô balisikizi, wayitî-qeke imilenze yakô kubo bonke abadlula ngendlela, wabandisa ubuhenyu bakô.

26 Wahenyuza nonyana bama-Yiputa, abamelwane bakô abakûlu ngenyama; wabandisa-ke ubuhenyu bakô ukuze undiqumbîse.

27 Yabona, ndasolula pêzu kwakô isandla sam, ndawuncipisa umamkeliso owumiselweyo, ndakunikela elitêni labakutîyayo, kwelentombî zama-Filisti, ebezidanele indlela yakô yamanyala.

28 Wahenyuza nonyana baka-Asuri, ngenxa yokuba unganelanga; wahenyuza-ke nabo, akwanela noko;

29 Wabandisela ezweni lama-Kanan ubuhenyu bakô kwelama-Kaledi, akwanela nayilonto.

30 Hayi ukutâmbâ kwentliziyo yakô! itsho i-Nkosi u-Yehova, ukuba wenze zonke ezonto, imisebenzi yenkazana ehênyuzayo esileyo.

31 Ekwakêni kwakô amanqugwala emantloko endlela zonke, nasekwenzeni kwakô indawo zakô ezipâkamileyo ezi-trateni zonke, akubanga njengehenyukazi-eli ngokusuka uwucukuceze umvuzo wobuhenyu.

32 Umfazi orexezayo wamkela abasemzini, noko angumkamntu.

33 Onke amahenyukazi bawanika izipô, ke wena wazinika zonke izitândane zakô izipô zakô, wazicenga ukuze zize kuwe ngenxa zonke ekuhenyuzeni kwakô.

34 Wena okwakô ukuhenyuza kutê kwapâmbâna nokwamankazana, ngokuti ingabi nguwe olandelwayo ekuhenyuzeni; ngokutî ufole wena umvuzo wobuhenyu, ungafolelwa umvuzo wobuhenyu, waba ngopâmbîleyo-ke.

35 Ngako oko, henyukazi, yiva ilizwi lika-Yehova.

36 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba ipâlele imali yakô, batŷileka ubuzé bakô ngokuhenyuza kwakô nezitândane zakô, nangenxa yezigodo zonke zamasikizi akô, nangenxa yamagazi onyana bakô, owabanikelayo kuzo:

37 Ngako oko yabona, ndiya kuzitâbatâ zonke izitândane zakô owakôlisana nazo, nabo bonke owabatândayo, ndawo-nye nabo bonke owabatîyayo, ndibahlanganise ndikucâse ngenxa zonke, ndibutŷile ubuzé bakô kubo, babubone ubuzé bakô bonke;

38 Ndikugwebe ngokugwetywa kwabafexezikazi nabapâlazi begazi, ndikwenze wena ube ligazi lobushushu nobukwêle;

39 Ndikunikele esandleni sabo, bawagungxule amanqugwala akô, bazidilize indawo zakô ezipâkamileyo, bakuhlube ingubo zakô, bazitâbatê impahla zakô zokuhombâ, bakushiye uzé kanye;

40 Bakunyusele ibandla, bakuxulube ngamatye, bakuxabele ngamafele abo;

41 Bazitshise izindlu zakô ngomlilo, bazenze kuwe izigwebo emehlweni abafazi abaninzi, ndikunqumamise ungabi saba lihenyu, ungabi safola umvuzo wobuhenyu.

42 Ndibupôlisele kuwe ubushushu bam, limke ikwêle lam kuwe, ndizole, ndingabi saqumbâ.

43 Ngenx' enokuba ungayikûmbûlanga imihla yobuncinane bakô, wesuka wangqungisana nam kwezizinto zonke: yabona, nam ndikunika ngokwendlela yakô entloko yakô, itsho i-Nkosi u-Yehova, ukuze ndi-

Digitized by Google

ngenzi amanyala angapêzulu kwamasikizi akô onke.

44 Yabona, bonke abazekelisi baya kuzekelisa ngawe, besiti, Ifuz'unina intombî yakê.

45 Wena uyintombî yonyoko, odimeleyo yindoda yakê nabantwana bakê; wena ungudade wodade bakô abadimeleyo ngamadoda abo nabantwana babo; unyoko ngum-Hetikazi, uyihlo ngum-Amori.

46 Udade wenu omkûlu ngu-Samari namagxamesi akê, ehleli ngasekôhlo kwakô; nomsakwenu omncinane kuwe ehleli ngasekunene kwakô, yi-Sodom namagxamesi ayo.

47 Akuhambânga-ke ngendlela zabo, wenzē ngokwamasikizi abo ukanti; ngomzuzwana wonakalise ngapêzu kwabo ngendlela zakô zonke.

48 Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, i-Sodom umsakwenu, yona namagxamesi ayo ayenzanga, njengoko wenze ngako wena namagxamesi akô.

49 Nabu-ke ubugwenxa be-Sodom umsakwenu: yabi liratshi, nokuhluta sisonka nokucûlumacâ yona namagxamesi ayo; ayababambâ ngesandla abazintsizana nabangamahlwempu.

50 Babezidla, besenza amasikizi pâmbî kwam; ndabasusa, ndakukubona oko.

51 No-Samari akônanga ngokwesiqingatâ sezono zakô; waye wena uwandisile amasikizi akô ngapêzu kwakê, wabenza amalungisa odade wenu ngamasikizi akô owenzileyo.

52 Nawe, twala-ke ihlazo lakô, olibalele kodade wenu. Ngezono zakô owazenza ngokumasikizi kunabo, ubenze bangamalungisa kunawe; dana-ke nawe, utwale ihlazo lakô, ekubeni ubenze amalungisa odade wenu.

53 Ekukubuyiseni kwam ukutînjwa kwabo, ukutînjwa kwe-Sodom namagxamesi ayo, nokutînjwa ko-Samari namagxamesi akê ndokubuyisa ukutînjwa okukutînjwa kwakô pâkatî kwabo;

54 Ukuze ulitwale ihlazo lakô, uzidanele into zonke ozenzileyo, ubatûtûzele;

55 Batî abasakwenu i-Sodom namagxamesi ayo babuyele kwakwisimo sabo sangapâmbîli, no-Samari namagxamesi akê babuyele kwakwisimo sabo sangapâmbîli, nawe namagxamesi akô nibuyele kwakwisimo senu sangapâmbîli.

56 I-Sodom umsakwenu ayibanga sifundo emlonyeni wakô ngemini yamaratshi akô;

57 Zingekatŷilwa izinto zakô ezimbî, njengasexesheni lesingcikivo samagxamesi akwa-Aram nesangenxa zonke kuye, samagxamesi ama-Filisti, awakucûkelayo ngenxa zonke.

58 Amanyala akô namasikizi akô uwatwele, utsho-Yehova.

59 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndenza-ke kuwe njengoko wenze ngako wena, osidelileyo isifungo, ukuba uwapûle umnqopîso;

60 Ndiwukûmbûle mna umnqopîso wam nawe ngemihla yobuncinane bakô, ndikumisele umnqopîso ongunapâkade;

61 Ukûmbûle indlela zakô, udane ekubamkeleni kwakô odade wenu, abakûlu kunawe kunye nabancinane kunawe; ndikunike babe zintombî kuwe, noko bange ngabomnqopîso wakô;

62 Niwumise mna umnqopîso wam nawe, wazi ukuba ndingu-Yehova;

63 Ukuze ukûmbûle, udane, ungabi saba nakuvula mlomo ngenxa yehlazo lakô, ekukuxoleleni kwam zonke izinto ozenzileyo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

17 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, li sitî,

2 Nyana ka-Adam, jik' iqina, uzekelise ngomzekeliso kwindlu ka-Sirayeli,

3 Utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ukôzi olukûlu, olumapîko makûlu, oluntsiba zolukileyo, oluboya buqâmileyo, bucokocôko, lweza e-Lebanon, lwatâbatâ amantloko om-sedare;

4 Lwaqâula elipêzulu emahlamvini awo lwalisa ezweni lakwa-Kanan, lwalimisa emzini wabarwebi;

5 Lwacapûla embêwini yelozwe, lwayifaka entsimini ehlwayelwayo, lwayitâbatâ lwayisa kumanzi amaninzi, lwayimisa ngokomncûluba.

6 Yahluma, yaba ngum-diliya onabileyo omfupî, ukuze amasebe awo asinge kulo, nengcambû zawo zibe pântsi kwalo; waba ngum-diliya-ke, wenza amasebe, waqâma amagqabi.

7 Kwabakô olunye ukôzi olukûlu, olumapîko makûlu, lunoboya obuninzi. Nango lom-diliya unabela ngakulo ngengcambû zawo, ugobela ngakulo amasebe awo,

Digitized by Google

ukuba luwanyele ezindimeni otyelwe kuzo;

8 Ubutyelwe entsimini elungileyo wona ngasemanzini amaninzi, ukuze wenze amasebe, uxakatê iziqâmo, ukuba ube ngum-diliya ongowona mhle.

9 Yitî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Womila-na? *oluya ukozi* aluyî kuzinyotûla-na ingcambû zawo, luzinqumle iziqâmo zawo, ubune, atî onke amagqabi amatsha okuhluma kwawo abune? kungabi nangangalo inkulu nangabantu baninzi ukuwususa ezingcanjini zawo.

10 Yabona, kôna utyelwe, womila-na? awuyi kubuna ubune-na, wakufikelwa lulopû lwasempumalanga? Uya kubunela ezindimeni ohlume kuzo.

11 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

12 Kâutî kwîndlu enenkani, Anikwazina ukuba kuyinto-nina oko? Yitî, Yabonani, ukumkani wase-Babeli weza e-Yerusalem, wamtâbatâ ukumkani wayo nabatêtêli bayo, wabasa kuye e-Babeli;

13 Watâbatâ owasembêwini yokumkani, wanqopîsana naye, wamfungisa; watâbatâ injengele zelizwe-elo;

14 Ukuze bube bubukumkani obupântsi, ukuze bungazipâkamisi, ukuze awugcine umnqopîso wakê, ukuze ume wona.

15 Wasuka-ke wagwilika kuye ngokutûma abatûnywa bakê e-Yiputa, ukuze anikwe amahashe nabantu abaninzi. Woba nempumelelo-na? wosinda-na owenze lonto wowapûla umnqopîso, asinde-na-ke?

16 Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, inyaniso, endaweni yokumkani owamenza ukumkani, osifungo asidelileyo, omnqopîso awapûleyo, uya kufela kuyo, esazulwini se-Babeli.

17 U-Faro akayi kumnceda ngampî inkulu nangasikûngu sikûlu emfazweni, kwakufunjwa udonga lokungqinga, kwakîwe inqaba zokubonisela, ukuze inqunyulwe imipêfumlo emininzi.

18 Ekubeni esidelile isifungo ukuba awapûle umnqopîso; yabona, unike isandla sakê, waza noko wenza zonke ezizinto; akayi kusinda.

19 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndihleli-nje, inyaniso, isifungo sam asidelileyo, nomnqopîso wam awapûleyo, ndiya kumnika entloko yakê,

20 Ndiwutwabulule pezu kwakê umnatâ wam, abanjiswe ngumgibe wam, ndimse e-Babeli, ndimangalelane naye kôna ngenxa yomenezo lwakê andimenezele ngalo;

21 Bawe ngeêele bonke abasabileyo bakê emahlelweni akê onke, namasalela atîwequsa kwimimoya yonke; nazi ukuba mna Yehova nditêtîle.

22 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Mna ndiya kutâbatâ-ke ihlamvu emantloko omsedare omde, ndilimise; emahlamvini awo apêzulu ndiya kuqâula elitâmbileyo, ndilityale mna entabeni epâkamileyo ende.

23 Ndiya kulityala-ke entabeni ende yakwa-Sirayeli, linyuse amasebe, lixakatê iziqâmo, libe ngum-sedare ongowona mhle, zihlale pântsi kwawo zonke intaka entlobo ngentlobo; ziya kuhlala emtûnzini wamasebe awo;

24 Yazi yonke imitî yasendle, ukuba mna Yehova ndiwutôbile umtî opâkamileyo, ndiwupâkamisile umtî omfupî; ndiwomisile umtî omanzi, ndiwuqâmisile umtî owomileyo. Mna Yehova nditêtile, ndenza.

18 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Uyinto-nina kuni lomzekeliso, nizekelisa ngawo emhlabeni wakwa-Sirayeli, nisitî, Oyise badle i-diliya ezimuncu, kwaba butêlezi amazinyo onyana?

3 Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Anisayi kuba sazekelisa ngalomzekeliso kwa-Sirayeli.

4 Yabonani, yonke imipêfumlo yeyam; umpêfumlo woyise unjengompêfumlo wonyana, yeyam; umpêfumlo owônayo, kuya kufa wona.

5 Umntu xa atê walilungisa, wenza ngokwesiko nangobulungisa,

6 Akadlela ezintabeni, amehlo akê akawapâkamisela kwizigodo zendlu yakwa-Sirayeli, umfazi wowabo akamenza inqambî, akasondela kumfazi enomzî;

7 Akamnxinzelela pântsi umntu, wasibuyisa isibambîso sokuboleka kwakê, akaxâkamfula, wamnika olambîleyo isonka sakê, wamgubungela ozé ngengubo;

8 Akanikela imali ukuba adle abanye ngayo, akatâbatâ nzala yamboleko, wasibuyisa isandla sakê ekugqwetêni, wenza ngokwesiko nangenyaniso pâkatî kobani nobani,

9 Wahambâ ngemimiselo yam, wagcina

Digitized by

amasiko am, ukuba enze ngenyaniso: ulilungisa, inene uya kupila, itsho i-Nkosi u-Yehova.

10 Ke etê wazala unyana osisigwinta, opâlaza igazi, owenza nok'inye kwezozinto,—

11 Ke yena ezonto zonke engazenzanga, —*unyana* kananjalo odlela ezintabeni, omenza inqambî umfazi wowabo,

12 Oluxinzelela pântsi usizana nehlwempu oxâkamfula, ongasibuyisiyo isibambîso, owapâkamisela kwizigodo amehlo akê, owenza amasikizi,

13 Onikela imali ukuba adle abanye ngayo, otâbatâ inzala yembôleko, wopîlana-ke? akayi kupîla; wenze onke lamasikizi; uya kubulawe afe; igazi lakê liya kuba pêzu kwakê.

14 Yabonani-ke, etê yena wazala unyana, otî wazibona zonke izono zikayise azenzayo, abone-ke, angenje njalo,

15 Angadleli ezintabeni, amehlo akê angawapâkamiseli kwizigodo zendlu ka-Sirayeli, umfazi wowabo akamenzi inqambî,

16 Angamxinzeleli pântsi umntu, angabambîsi ngesibambîso, angamxâmfuli, isonka sake asinike olambîleyo, amgubungele ozé ngengubo,

17 Abuyise isandla sakê kolusizana, angadli abanye ngemali, angatâbatî nzala yambôleko, wenza ngokwamasiko am, uhambâ ngemimiselo yam: lowo akayi kufa ngobugwenxa bukayise; inene uya kupila.

18 Uyise, ngokokuba ecudisile kakubi, exâkamfula umzalwana, wenza okungalungileyo pâkatî kwabantu bakowabo, yabonani, uya kufa ngobugwenxa bakê.

19 Ukanti nitî-ke, Kungatûba-nina ukuba unyana angabutŵali ubugwenxa boyise? Unyana kaloku wenze ngokwesiko nangobulungisa, uyigcinile yonke imimiselo yam, wayenza; inene uya kupîla.

20 Umpêfumlo owônayo, kuya kufa wona wodwa; unyana akayi kutŵala ubugwenxa boyise, noyise akayi kutŵala ubugwenxa bonyana; ubulungisa belungisa buya kuba pêzu kwalo, nokungendawo kongendawo kuya kuba pêzu kwakê.

21 Ongendawo-ke, xa atê wabuya ezonweni zakê zonke azenzileyo, wayigcina yonke imimiselo yam; wenza ngokwesiko nangobulungisa: inene uya kupîla; akayi kufa;

22 Zonke iziŕeqo zakê azenzileyo aziyi kukûnjulelwa kuye; ngobulungisa bakê abenzileyo uya kupîla.

23 Kumnandi-na kanene kum ukufa kongendawo? itsho i-Nkosi u-Yehova; okumnandi kum asikukô-na ukutî abuye eziндleleni zakê apîle?

24 Kôna ebubuyeni kwelungisa ebulungiseni balo, lenza ngobugqwetâ, ngokwamasikizi awenzileyo ongendawo: lopîlana lona? Yonke imisebenzi yalo yobulungisa, elayenzayo, ayikukûnjulwa; ngenxa yobumenemene balo elimeneze ngabo, nangenxa yezono zalo elône ngazo, ngenxa yezonto liya kufa.

25 Ukanti nitî-ke, Indlela ye-Nkosi ayilungelelene. Kânive, ndlu ka-Sirayeli, indlela yam ayilungelelene yinina? azizezenu-na indlela ezingalungeleleneyo?

26 Xa litê ilungisa labuya ebulungiseni balo, lenza ngobugqwetâ, lofa ngezonto: lofa ngobugqwetâ balo elibenzileyo.

27 Xa atê ongendawo wabuya kokungendawo kwakê akwenzileyo, wenza ngokwesiko nangobulungisa: yena uya kuwusindisa umpêfumlo wakê.

28 Ngokuba ebonile wabuya eziŕeqweni zakê zonke, azenzileyo: uya kupîla, akayi kufa.

29 Ukanti itî-ke indlu ka-Sirayeli, Indlela ye-Nkosi ayilungelelene. Indlela zam azilungelelene-na, ndlu ka-Sirayeli? Azizezenu-na indlela ezingalungeleleneyo?

30 Ngako oko ndiya kunigweba elowo ngokwendlela yakê, ndlu ka-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova. Buyani nizibuyise eziŕeqweni zenu zonke, bungabi sikûbekiso ubugwenxa kuni.

31 Lahlani zonke iziŕeqo zenu eniŕeqe ngazo, nizenzele intliziyo entsha nomoya omtsha. Yinina ukuba nife, ndlu ka-Sirayeli?

32 Ngokuba akumnandi kum ukufa kofayo, itsho i-Nkosi u-Yehova. Zibuyisenike nipîle.

19 Wena-ke, yenza isijwili ngezikûlu zakwa-Sirayeli,

2 Utî, Uyinto-nina unyoko? ingonyamakazi ebutume pâkatî kwengonyamakazi, ewondlela amatôle ayo pâkatî kwengonyama ezintsha?

3 Yakûlisa elinye ematôleni ayo, laba yingonyama entsha, lafunda ukuqwenga inyamakazi; ladla abantu.

4 Intlanga zahlaba umkôsi ngalo, laba-

Digitized by Google

njiswa esihogweni sazo; zalisa ezweni lama-Yiputa lifakwe amakônco.

5 Yakubon' ukuba alipûmeleli lidakile itêmbâ layo, yatâbatâ elinye ematôleni ayo, yalenza ingonyama entsha.

6 Lahambâhambâ pâkatî kwengonyamakazi, layingonyama entsha, lafunda ukuqwenga inyamakazi; labadla abantu.

7 Labazi abahlolokazi babo, layenza amanxuwa imizi yabo, kwaba senkangala kwilizwe nakwinzaliseko yalo ngezwi lokubâfula kwalo.

8 Intlanga zabangenxa zonke emazweni zamisa kulo, zawutwabulula pêzu kwalo umnatâ wazo, labanjiswa esihogweni sazo.

9 Zalifaka endlwaneni, linamakônco, zalisa kukumkani wase-Babeli, zalisa ezimbôniselweni, ukuze izwi lalo lingabi savakala ezintabeni zakwa-Sirayeli.

10 Unyoko ube njengom-diliya, otyelwe ngasemanzini ekupûmleni kwakô, waqâma, wanamasebe amaninzi ngenxa yamanzi amaninzi;

11 Wanamasebe aqinileyo okuba zintonga zabalauli; ubude bawo bapâkama bapêzulu pâkatî kwengqimbâ zamafu; wabonakala ekupâkameni kwawo ngobuninzi bamasebe awo.

12 Wanyotûlwa-ke ngobushushu, wakâhlelwa emhlabeni, ulopû lwasempumalanga lwazomisa iziqâmo zawo; axûzulwa oma amasebe awo aqinileyo, atsha ngumlilo.

13 Ngoku-ke utyelwe entlango, ezweni elingumqwebedu elomileyo.

14 Kupûme-ke umlilo emahlamvini amasebe awo, watshisa iziqâmo zawo, akwabikô sebe liqinileyo kuwo lokuba yintonga yokulaula. Sijwili-ke, siya kuba sijwili.

20 Kekaloku kwatî ngomnyaka wesixênxe, ng*enyanga* yesihlanu, ngolweshumi enyangeni-leyo, kwafika amadoda, evela kumadoda amakûlu akwa-Sirayeli, ukuba abuzise ku-Yehova; ahlala pantsi pâmbî kwam.

2 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

3 Nyana ka-Adam, têtâ namadoda amakûlu akwa-Sirayeli, utî kuwo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Nize kubuzisa kum-na? Ndihleli-nje, unakanye ukuba ndibuzwe nini, itsho i-Nkosi u-Yehova.

4 Uza kubagweba-na, uza kugweba-na, nyana ka-Adam? Bazise-ke amasikizi oyise,

5 Utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngemini endamnyulayo u-Sirayeli, endayipâkamiselayo isandla sam imbêwu yendlu ka-Yakobi, endazazisayo kubo ezweni le-Yiputa, endabapâkamisela isandla sam, ndisitî, Ndingu-Yehova u-Tîxo wenu;

6 Ngalomini kanye ndabapâkamisela isandla sam, ukuze ndibakûpê ezweni le-Yiputa, ndibase ezweni endabahlolelayo lona, elinamasi nobusi, liligugu kunamazwe onke;

7 Ndâti kubo, Lahlani elowo izinto ezinezotê zamehlo akê, ningazenzi inqambî ngezigodo ze-Yiputa; ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

8 Basuka banenkani kum, abavuma ukundipûlapûla, abazilahla elowo izinto ezinezotê zamehlo akê, abazishiya izigodo ze-Yiputa. Ndatî-ke ndiya kutûlula ubushushu bam pêzu kwabo, ndiwupêlelisele kubo umsindo wam pâkatî kwelizwe le-Yiputa.

9 Koko ndenzayo ngenxa yegama lam, ukuze lingahlanjelwa emehlweni entlanga, ababe pâkatî kwazo, endazazisa kubo emehlweni azo, ekubakûpêni kwam ezweni le-Yiputa.

10 Ndabakûpâ-ke ezweni le-Yiputa, ndabasa entlango,

11 Ndabanika imimiselo yam, ndabazisa namasiko am, awotî umntu ewenzile, apîle ngawo.

12 Kananjalo ndabanika i-sabatâ zam, ukuba zibe ngumqondiso pâkatî kwam nabo, ukuze bazi, ukuba mna Yehova ndiyabangcwalisa.

13 Indlu ka-Sirayeli yesuka yaba nenkani kum entlango; abahambâ ngemimiselo yam, bawacekisa amasiko am, awotî umntu ewenzile, apîle ngawo; bazihlambêla kakûlu i-sabatâ zam; Ndatî-ke, ndiya kutûlula ubushushu bam pêzu kwabo entlango, ukuze ndibagqibele.

14 Koko ndenzayo ngenxa yegama lam, ukuze lingahlanjelwa emehlweni entlanga, endabakûpâyo emehlweni azo.

15 Kananjalo mna ndabapâkamisela isandla entlango, ukuba ndingabasi ezweni endandibanikile, elinamasi nobusi, liligugu kunamazwe onke;

16 Ngenxa yokuba bawacekisayo amasiko am, abahambâ ngemimiselo yam, bazi-

Digitized by Google

hlambêla i-sabatâ zam; ngokuba intliziyo yabo yazilandela izigodo zabo.

17 Koko laba nenceba iliso lam kubo, u-kuba ndingabatshabalalisi, ndingabagqibele entlango.

18 Ndatî-ke konyana babo entlango, Musan' ukuhambâ ngemimiselo yoyihlo, ningawagcini amasiko abo, ningazenzi inqambî ngezigodo zabo.

19 Mna Yehova ndingu-Tîxo wenu; hambâni ngemimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze,

20 Nizingcwalise i-sabatâ zam, zibe ngumqondiso pâkatî kwam nani, ukuze nazi ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wenu.

21 Basuka onyana banenkani kum; abahambâ ngemimiselo yam, abawagcina amasiko am ukuba bawenze, awotî umntu ewenzile apîle ngawo; bazihlambêla i-sabatâ zam. Ndatî-ke, ndiya kutûlula ubushushu bam pêzu kwabo, ndipêlelisele umsindo wam kubo entlango.

22 Koko ndasibuyisayo isandla sam, ndenza ngenxa yegama lam, ukuba lingahlanjelwa emehlweni entlanga, endabakûpâyo emehlweni azo.

23 Kananjalo ndabapâkamisela isandla sam entlango, ukuba ndibacîtâcîtê ezintlangeni, ndibapângalalisele emazweni;

24 Ngenx' enokuba bengawenzanga amasiko am, bayicekisayo imimiselo yam, bazihlambêla i-sabatâ zam, amehlo abo alandela izigodo zoyise.

25 Nam ndabamisela imimiselo engabalungeleyo, namasiko abange nakupîla ngawo;

26 Ndabenza inqambî ngezipô zabo, ekucandiseni kwabo *emlilweni* yonke into evula isizalo, ukuze ndibapânzise, ukuze bazi ukuba ndingu-Yehova.

27 Ngako oko têtâ kwindlu ka-Sirayeli, nyana ka-Adam, utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Oyihlo babuye bandinyelisa nangalento, ekumenezeni kwabo ababemeneza ngako kum.

28 Kuba xenikweni ndabasayo ezweni endasipâkamiselayo isandla sam sokuba ndibanike lona, basuka bakângela zonke induli ezinde, nemitî yonke etê-shinyi, bayibingelela kôna imibingelelo yabo, banikela kôna imisondezo yabo equmbîsayo, babeka kôna ivumbâ lamadini abo elitôzamisayo, batûlulela kôna iminikelo yabo etûlulwayo.

29 Ndâti-ke kubo, Esisigânga niya kuso siyinto-nina? Igama laso-ke kutîwa, Sigânga, unanamhla.

30 Ngako oko yitî kwindlu ka-Sirayeli, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Nizenze inqambî ngendlela yoyihlo, nihenyuze ngokulandela izinto zabo ezinezotê-nje.

31 Nizenze inqambî ezigodweni zenu ngokunikela izipô zenu nangokubacandisa emlilweni onyana benu nanamhla: mna ndingabuzwa nini-na, ndlu ka-Sirayeli? Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, andiyi kubuzwa nini, nakanye.

32 Lonto, itê-qatâ emoyeni wenu, ayivi kubakô nokubakô, leyo nitî, Siya kuba njengentlanga, njengemizalwane yamazwe, silungiselele kwimitî namatye.

33 Ndihleli-nje, inyaniso, itsho i-Nkosi u-Yehova, ngesandla esitê-nqi, nangengalo eyolukileyo, nangobushushu obutûlulwayo ndiya kuba ngukumkani pêzu kwenu,

34 Ndinikûpê ezizweni, ndinibutê emazweni enapângalaliswa kuwo, ngesandla esitê-nqi, nangengalo eyolukileyo, nangobushushu obutûlulwayo;

35 Ndinise kwintlanga yezizwe, ndimangalelane nani, sikângelane ebusweni;

36 Njengoko ndamangalelana noyihlo kwintlango yelizwe le-Yiputa, ndiya kwenje njalo ukumangelelana nani, itsho i-Nkosi u-Yehova;

37 Ndinipûmelise pântsi kwentonga, ndinibopêlele ngomnqopiso;

38 Ndibakêtê kuni abagwilikayo nabaxeqayo kum. Ndiya kubakûpâ ezweni lokupâmbûkela kwabo; ke akuyi kungena namnye emhlabeni wakwa-Sirayeli, ukuze nazi ukuba ndingu-Yehova.

39 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ninake ndlu ka-Sirayeli, hambâni, nikônze elowo isigodo sakê; kodwa emveni koko, inyaniso, niya kundipûlapûla, ningabi salihlambêla igama lam elingcwele ngezipô zenu nangezigodo zenu;

40 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Entabeni yam engcwele, entabeni ende yakwa-Sirayeli, kôn'apô iya kundikônza yonke indlu yakwa-Sirayeli, yonke ipêla, ezweni; kôn'apô baya kuba likôlo kum; kôn' apô ndiya kubiza imifumo yenu nentlahlela yezipô zenu, entweni yenu yonke eniyingcwalisayo.

41 Niya kuba likôlo kum ninevumbâ elitôzamisayo, ekunikûpêni kwam ezizwe-

Digitized by Google

ni, ndinibutê emazweni enapângalaliswa kuwo, ndizingcwalisele kuni emehlweni entlanga;

42 Nazi ukuba ndingu-Yehova, ekuniseni kwam emhlabeni wakwa-Sirayeli, ezweni endasipâkamisela isandla sam sokuba ndilinike oyihlo;

43 Nizikûmbûle kôna indlela zenu nentlondi zenu zonke, enazenza inqambî ngazo; niziŕuqukele ngokwenu ngenxa yazo zonke iziuto ezimbî enizenzileyo;

44 Nazi ukuba ndingu-Yehova, ekunipâtêni kwam ngenxa yegama lam, kunge kôna ngokwendlela zenu ezimbî, nangokwentlondi zenu ezibolileyo, ndlu ka-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova.

45 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

46 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô kwelase-Zantsi, uwise intetô usingise e-Zantsi, uprofete ngehlatî lezwe lase-Zantsi;

47 Utî kwihlati lezwe lase-Zantsi, Yiva ilizwi lika-Yehova; itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndifaka umlilo kuwe, utshise kuwe wonke umti omanzi, nawo wonke umtî owomileyo. Akuyi kucima dangatye lamadangatye, bofauka ubuso babantu bonke, kutâbatêla e-Zantsi kuse e-Ntla;

48 Ibone yonke inyama, ukuba mna Yehova ndiwubasile; awuyi kucinywa.

49 Ndati, Awū! Nkosi Yehova, batî ngam lo, Akenzi ngemizekeliso kodwana?

21 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô kwi-Yerusalem, uwise intetô ezingcweleni, uprofete ngomhlaba wakwa-Sirayeli;

3 Utî kumhlaba wakwa-Sirayeli, Utsho u-Yehova ukutî, Yabona, ndikucâsile, ndifola iŕele lam esinxôtyeni salo, ndinqumle kuwe ilungisa nongendawo.

4 Ngenxa-ke enokuba ndiya kunqumla kuwe ilungisa nongendawo, ngako oko liya kupûma iŕele lam esinxôtyeni salo, liye enyameni yonke, litâbatêle e-Zantsi lise e-Ntla;

5 Yazi yonke inyama, ukuba mna Yehova ndilifolile iŕele lam esinxôtyeni salo; alisakuba sabuye libuye.

6 Wena-ke nyana ka-Adam, ncwina; uqêkeke amanqe, uncwine nangobuŕaŕa emehlweni abo.

7 Kotî, xa batê kuwe, Uncwinela-nina? utî, Kungenxa yendaba, ngokuba zisiza; kuya kunyibilika zonke intliziyo, ziwe zonke izandla, incame yonke imimoya, amadolo onke angabi namandla; yabona, ziyeza, ziya kubakô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

9 Nyana ka-Adam, profeta utî, Utsho u-Yehova ukutî, Iŕele, iŕele liloliwe, likazimlisiwe nokukazimliswa;

10 Liloliwe ukuze lixêle libulale, likazimlisiwe ukuze limenyezele njengumbane: ngesiba nemihlali sitî, Intonga yonyana wam le icekisa imitî yonke-na?

11 Linikelwe ukuba likazimliswe, lipâtŵe ngesandla; liloliwe iŕelo-elo, likazimlisiwe elo ukuba linikelwe esandleni sombulali.

12 Kâla ubômbôloze, nyana ka-Adam; ngokuba litêne-mbende nabantu bam, litêne-mbende nezikûlu zonke zakwa-Sirayeli; zisisulu seŕele kunye nabantu bam; ngako oko tywaŕaza etângeni.

13 Ngokuba sekucikidiwe; hi kotî-nina ukuba nentonga ecekisayo; akuyi kuba kunjalo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

14 Wena-ke nyana ka-Adam, profeta, utywaŕaze izandla; lipîndwe okwesitâtû iŕele, iŕele lababuleweyo; liŕele lobuleweyo lalowo umkûlu, elibaŕaulayo;

15 Ukuze intliziyo itê amandla, zande izikûbekiso, ndiwamisele amasango abo onke iŕele elijikajikayo. Awu! lenzelwe ukuba libe nje ngumbane, litîwe-ŕutu ukuba libulale.

16 Tyekela ngasekunene, guqukela ekôhlo, apô lubêkisa kôna uhlangotî lwakô.

17 Nam ndiya kuzitywaŕaza izandla zam, ndibupôlise ubushushu bam; mna Yehova nditêtîle.

18 Kwafika kum ilizwi lika-Yehova lisitî,

19 Wena-ke nyana ka-Adam, zimisele indlela ezimbîni, ukuze lize ngazo iŕele lokumkani wase-Babeli; mazipûme zweni nye zombîni, uŕole umalatîso, uwuŕole emantloko endlela yomzi.

20 Misa indlela, ukuze iŕele lifike e-

Digitized by Google

Raba yonyana baka-Amon, nakwelakwa-Yuda, e-Yerusalem enqatyisiweyo;
21 Kuba ukumkani wase-Babeli umise ekwahlukaneni kwendlela emantloko endlela zombîni, ukuze ahlabe izihlabo; uhlukuhla intolo, ubuza kwimilonde-kaya, ukângela esibindini;
22 Esandleni sakê sokunene izihlabo zihlabe i-Yerusalem, ukuze kumiswe izinto zokutŷomfa, uhlatywe umkôsi wokubulala, kupâkanyiswe izwi lokuduma, kumiswe izinto zokutŷomfa emasangweni, kufunjwe udonga lokungqinga, kwakîwe inqaba zokubonisela.
23 Zoba njengezihlabo ezikohlakeleyo kubo emehlweni abo, bafungelwe izifungo bona; ke yena wokûmbûza ubugwenxa, ukuze baxâkamfulwe.

24 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenxa yokukûmbûza kwenu ubugwenxa benu, ekutŷilekeni kwezîreqo zenu, ukuze zibonakale izono zenu ezintlondini zenu zonke; ngenxa yokukûnjulwa kwenu niya kuxâkamfulwa ngesandla.
25 Wena-ke mbulawa ungendawo, sikûlu sakwa-Sirayeli, umini yakô ifikileyo ngexesha lobugwenxa bokupêla.
26 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Luya kususwa unkontsho, sitûlwe nesitsaba, oko koko, namhla kunamhla; okutôbekileyo kuya kupâkanyiswa, okupâkamileyo kuya kutôtywa.
27 Ndiya kukupênula ndikupênule, ndikupênule; kwa nako oko akuyi kuba kukô, koda kufike lowo kukokwakê ukugweba; ndikunike yena.

28 Wena-ke nyana ka-Adam, profeta utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ngokusingisele konyana baka-Amon, ngokusingisele kungcikivo lwabo, utî, Îrele, îrele lifolelwe ukuba libulale, likazimlisiwe ukuba lidle, ukuba libe njengombane;
29 Bekubonela inkohlakalo-nje, bekuhlabela amanga-nje, liya kukubeka-ke ezintanyeni zabangendawo ababuleweyo, abamini iya kufika ngexesha lobugwenxa bokupêla.
30 Libûyisele esinxôtyeni salo. Endaweni odalelwe kuyo, ezweni lemvelo yakô ndiya kukugweba;
31 Nditûlule pêzu kwakô ubâvumo lwam. Ndiya kukubasela ngomlilo wokupûpûma komsindo wam, ndikunikele esandleni samadoda azityakala, incîbi ezonakalisayo.
32 Uya kuba kukudla komlilo; igazi lakô liya kuba pâkatî kwelizwe; akuyi kukûnjulwa; kuba mna Yehova nditêtile.

22 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
2 Wena-ke, nyana ka-Adam, uza kuwugweba-na? uza kuwugweba-na umzi wamagazi? wazise-ke onke amasikizi awo,
3 Utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, mzindini, upâlaza igazi esazulwini sawo, ukuze lifike ixesha lawo, wenze izigodo kuwo ukuze ube yinqambî;
4 Ngegazi lakô olitûluleyo uzeke ityala, nangezigodo zakô ozenzileyo uzenze inqambî, wazisondeza imini zakô, wafika eminyakeni yakô; ngenxa yoko ndikwenza into yengcikivo ezintlangeni, nento yokucukucezwa kuwo onke amazwe.
5 Abakufupî nabakude kuwe baya kukucukuceza, unegama lobunqanbî, unesaqunge esikûlu.
6 Yabona, izikûlu zakwa-Sirayeli, saseso ngokwengalo yaso, bezikuwe, ukuze zipâlaze igazi.
7 Uyise nonina babacukucezela kuwe, owasemzini bamcudisela esazulwini sakô, inkedama nabahlolokazi babaxinzelela pântsi kuwe.
8 Ingcwele zam uzidelile, ne-sabatâ zam uzihlambêle.
9 Amadoda anentlebendwane abe kuwe, ukuze apâlaze igazi; adlela ezintabeni kuwe, enza amanyala esazulwini sakô;
10 Ubuzé boyise butŷilelwe kuwe; oyinqambî ngokuba nomzî bamdlwengulela kuwe;
11 Omnye wenza amasikizi nomfazi wowabo; omnye umenza inqambî umolokazana wakê ngobugqwifa; omnye udlwengula udade wabo, intombî kayise, kuwe;
12 Bamkela izicêngo bekuwe, ukuze bapâlaze igazi; wena udle abantu ngemali, watâbatâ inzala yemboleko; uyamdla ummelwane wakô ngokucudisa, undilibele, itsho i-Nkosi u-Yehova.
13 Yabona, nditywarâza izandla zam ngenxa yenzuzo yakô embî oyizuzileyo, nangenxa yamagazi akô asesazulwini sakô.
14 Intliziyo yakô iya kuma-na? izandla zakô ziya kutî-noi-na, ngemihla endiya

Digitized by Google

kukupåtå ngayo? Mna Yehova nditêtîle ndiya kwenza-ke;
15 Ndikupângalalisele ezintlangeni, ndikucîtâcîtê emazweni, ndibugqibele ubunqambî bakô kuwe;
16 Uzihlambêle emehlweni entlanga; wazi ukuba ndingu-Yehova.

17 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
18 Nyana ka-Adam, indlu ka-Sirayeli isuke yaba ligwebu lentsimbî kum; bonke bepêla balubêdu ne-bêkile nesinyiti nelote pâkatî eziko; baba ligwebu le-silvere.
19 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenxa yokuba naba ligwebu lentsimbî nonke nipêla: ngako oko yabonani, ndiya kunibutâ esazulwini se-Yerusalem.
20 Njengokuhlanganiselwa kwe-silvere nobêdu nesinyiti ne-lote ne-bêkile pâkatî eziko, ukuba umlilo uzifutê, ukuze zinyibilike; ndiya kwenje njalo ukunibutâ ngomsindo wam nangobushushu bam, ndinifake, ndininyibilikise;
21 Ndinifumbê, ndifutê umlilo wokupûpûma komsindo wam kuni, ninyibilike pâkatî kwawo.
22 Njengokuba i-silvere inyibilikiswa pâkatî eziko, niya kwenje njalo ukunyibilikiswa pâkatî kwayo; nazi ukuba mna Yehova ndibutûlule ubushushu bam pêzu kwenu.

23 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
24 Nyana ka-Adam, yitî kulo, Ulilizwe elizulu lingasiyo, elinganelwayo ngomhla wobâvumo.
25 Lucebo lwaba-profeti balo esazulwini salo; njengengonyama ebafulayo, eqwenga inyamakazi, badla imipêfumlo; bahluta into eqwetyiweyo nenqabileyo, bandisa abahlolokazi balo esazulwini salo.
26 Abenzeleleli balo bayawugonyamela umyalelo wam, bazihlambêle ingcwele zam, abacaluli pâkatî kokungcwele nokuhlambêlayo, ababonisi mahluko kokuyinqambî nokuhlambûlukileyo; bayawafihla amehlo abo kwî-sabatâ zam, ndihlanjelwe esazulwini sabo.
27 Abatêtêli balo esazulwini salo banjengencûka eziqwenga ixôba, ukuba bapâlaze igazi, batshabalalise imipêfumlo, ukuze bazuze inzuzo embî.
28 Aba-profeti babatyabeka ngodaka olulifutâ, bebona imibono yenkohlakalo, bebahlabela izihlabo ezingamanga, besitî, Itsho i-Nkosi u-Yehova, kanti u-Yehova akatêtânga.
29 Abantu belizwe-elo bayacudisa, bayapânga, baxinzelela pântsi usizana nehlwempu, bacudise owasemzini ngokunge sesikweni.
30 Ndafuna kwabo indoda engaba lutângo pâkatî, ime etûtyeni pâmbî kwam ikûsele ilizwe elo, ukuze ndingatshabalalisi, ke andiyifumani.
31 Ngoko-ke nditûlula ubâvumo lwam pêzu kwabo, ndibagqibele ngomlilo wokupûpûma komsindo wam, ndibanike ngokwendlela yabo entloko yabo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

23 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
2 Nyana ka-Adam, kwakukô abafazi ababini, intombî zamfazi mnye;
3 Bahenyuza e-Yiputa, bahenyuza besebancinane; acofelwa kôna amabele abo; yapâtwa kôna ingono zamabele zobuntombî babo.
4 Amagama abo-ke ngu-Ntente-yakê omkûlu kubo, no-Ntente-yam-kuye umsakwabo; baba ngabam, bazala onyana nentombî. Amagama abo ngu-Samari u-Ntente-yakê, yi-Yerusalem u-Ntente-yamkuye.
5 U-Ntente-yakê wahenyuza engumkam, watshiswa kukukânuka izitândane zakê, ama-Asuri umelwane lwakê.
6 Abambâtî bezimsi, amabambâ ne-fuluneli, amadodana aluluhle onke epêla, abamahashe bekwele emahasheni.
7 Wakubêkisela kubo ukuhenyuza kwakê, konyana baka-Asuri abaluluhle bonke bepêla; watî abo bonke abetshiseka kukubakânuka, wazenza inqambî ngezigodo zabo.
8 Akakuyeka nokuhenyuza kwakê kwase-Yiputa; ngokuba ebuncinaneni bakê bebelala naye, bazipâtê ingono zamabele zobuntombî bakê bona; batûlulele ubufebe babo pêzu kwakê.
9 Ngako oko ndamnikela esandleni sezitândane zakê, esandleni sonyana bakwa-Asuri, abo abetshiseka kukubakânuka.
10 Bona babutyîla ubuze bakê, batâba-

Digitized by

tâ onyana bakê nentombî zakê, bambulala ngeřele; waba ngundaba-mlonyeni kubafazi, bamgweba.

11 Wakubona oko umsakwabo u-Ntente-yam-kuye, wamandundu kunaye ukutshiseka kwake kukukânuka, kwamandundu ukuhenyuza kwakê kunokuhenyuza kodade wabo;

12 Watshiseka kukubakânuka onyana bakwa-Asuri: amabambâ, ne-fuluneli, umelwane lwakê, abaxôbe bapêlelisela; abamahashe bekŵele emahasheni, amadodana aluluhle onke epêla.

13 Ndabona ukuba uzenze inqambî, bandlela nye bobabini.

14 Wongeza ekuhenyuzeni kwakê; wabona amadoda ezotywe eludongeni, imifanekiso yama-Kaledi ezotywe ngeqabo elibomvu,

15 Enxibe inqwemesha ezinqeni, enenkontsho ezimfakamfele entloko, ebonakala engamafa-nankosi onke epêla, efana nonyana base-Babeli, belama-Kaledi, izwe lokuzalwa kwabo.

16 Watshiseka kukuwakânuka, amehlo akê akuwabona; watûma abatûnywa kwelama-Kaledi.

17 Beza-ke kuye onyana base-Babeli esililini sokuncokolisa, bamenza inqambî ngobufebe babo; wazenza inqambî ngabo; wancotûka kubo umpêfumlo wakê.

18 Wakutŷila ukuhenyuza kwakê, wabutŷila ubuzê bakô, wancotûka-ke umpêfumlo wam kuye, njengoko umpêfumlo wam wancotûkayo kumsakwabo.

19 Wongeza-ke ukuhenyuza kwakê, ngokukûmbûla imihla yobuncinane bakê, awahenyuza ngayo ezweni le-Yiputa.

20 Watshiseka kukuwakânuka amařexe akê anyama zizinyama ze-esile, amakânuko awo angamakânuko amahashe.

21 Waman'ukângela amanyala obuncinane bakô, oko ama-Yiputa abepâtê ingoni zamabele zakô ngenxa yamabele obuncinane bakô.

22 Ngako oko, Ntente-yam-kuye, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndikuxôkonxela izitândane zakô, ezo uncotûkileyo kuzo umpêfumlo wakô, ndizizise pêzu kwako, zivela ngenxa zonke:

23 Onyana base-Babeli nama-Kaledi onke, abaveleli, izikûlu, nezipatâ-mikôsi, benonyana bonke bakwa-Asuri, amadodana aluluhle, amabambâ ne-fuluneli, bonke bepêla, namafa-nankosi, namapâkatî, bengabakŵeli bamahashe bonke bepêla;

24 Bakufikele benezikâli nenqwelo zokulwa ne-vili, benesikûngu sezizwe; babêkise kuwe ingweletshetshe namakâka nezigcina-ntloko ngenxa zonke; ndimikele kubo ugwebo ukuba bakugwebe ngokwamasiko abo;

25 Ndikunikele ebukŵeleni bam, bakupâtê ngobushushu; baya kususa impumlo yakô nendlebe zakô; nento yakô eseleyo iwe ngeřele. Bona baya kutâbatâ onyana bakô nentombî zakô; nento yakô eseleyo itshiswe ngumlilo;

26 Bakuhlube ingubo zakô, bazitâbatê impahla zakô zokuhombâ;

27 Ndiwapêlise amanyala akô nokuhenyuza kwako kwasezweni le-Yiputa, ungabi sawapâkamisela amehlo akô kuwo, ungabi salikûmbûla elase-Yiputa.

28 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndiyakukunikela esandleni sabo ubatîyileyo, esandleni sabo uncotûkileyo kubo umpêfumlo wako;

29 Bakupâtê ngentiyo, batâbatê konke ukuxelenga kwakô, bakushiye uzê kanye, butŷileke ubuzê bokuhenyuza kwakô, unanyala akô nokuhenyuza kwakô.

30 Kuya kwenzeka oko kuwe, ngenxa yokuhenyuza kwakô ekulandeleni umfanga, ngenx' enokuba uzenze inqambi ngezigodo zazo.

31 Uhambê ngendlela yomsakwenu; ndiyinikele-ke indebe yakê esandleni sakô.

32 Ìtsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uya kuyisela indebe yomsakwenu, yona kye inzulu, ibanzi; iya kuba yintlekisa nesigculelo, ngokuba inombilini omkûlu.

33 Uya kuzala kukunxila nasisinqala: yindebe yakwankangala kankangala indebe yodade wenu u-Samari.

34 Uya kuyisela-ke, uyifince, uwaqobe amagope ayo, uzijece ngawo amabele: ngokuba nditêtîle, itsho i-Nkosi u-Yehova.

35 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba undilibele, wandipôsa emva komhlana wakô, uya kuwatŵala nokuwatŵala amanyala akô nokuhenyuza kwakô.

36 Watî u-Yehova kum, Nyana ka-Adam uza kubagweba-na o-Ntente-yakê

Digitized by Google

no-Ntente-yam-kuye? baxelele-ke amasikizi abo.

37 Ngokuba barexezile, izandla zabo zinegazi; barexezene nezigodo zabo; kananjalo onyana babo, ababazalela mna, babacandisele kuzo, ukuba batshiswe ngumlilo.

38 Babuye benza noku kum: bayenze inqambî ingcwelo yam kwa ngayo lomini, bazihlambêla i-sabatâ zam;

39 Izigodo zabo bakuzisikela onyana babo, bangene-ke engcweleni yam kwa ngayo lomini ukuze bayihlambêle; yabona, benje njalo endlwini yam pâkatî.

40 Pêzu koko batûmele kumadoda avela kude, kwatûnyelwa kuwo umtûnywa; yabona, afika; wona lawo wazihlambâyo umzimbâ ngenxa yawo, waziqaba amehlo ngomsizi, wavatêla wona izivatô zakô,

41 Wahlala esinqênqêlweni esinobuqaqauli, alungiselwa isitêbe pâmbî kwaso, wabeka-ke kuso isiqûmiso sam ne-oli yam.

42 Izwi lengxokolo latyondyoloza kô-na. Kumadoda aseluninzini loluntu kwaziswa abaseli basentlango, babafaka izacolo ezihlahleni zabo nezitsaba zokuhombâ entloko zabo.

43 Ndatî ke kulowo oselehagele ekufexezeni, Ngoku-nje uhenyuzo lwakô luya kufexeza, lona ngokwalo.

44 Bamngena-ke njengoko kungenwa ngako kumfazi olihenyukazi: benje njalo ukumngena u-Ntente-yakô no-Ntente-yam-kuye, abobafazi banamanyala.

45 Ke amadoda angamalungisa, wona-ke aya kubagweba ngokwesiko labafexezikazi, nangokwesiko labapâlazi begazi; ngokuba bengabafexezikazi, zinegazi izandla zabo.

46 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiya kubanyusela ibandla, ndibanikele ekunqakulweni nasekupângweni,

47 Ibandla libaxulube ngamatye, libasike ngamafele alo; liya kubabulala onyana babo nentombî zabo, lizitshise izindlu zabo;

48 Ndiwapêlise amanyala ezweni, batêtîseke abafazi bonke, bangenzi ngokwamanyala enu.

49 Baya kuwabeka-ke amanyala enu pêzu kwenu, nizitwale izono zezigodo zenu; nazi ukuba ndiyi-Nkosi u-Yehova.

24 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum ngomnyaka wesitôba, ngenyanga yeshumi ngolweshumi enyangeni-leyo, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, Zibâlele igama lalemini, layo yona lemini: ukumkani wase-Babeli uyishicilele i-Yerusalem ngayo yona lemini,

3 Uyizekelisele ngomzekeliso indlu enenkani, utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Beka imbîza eziko, yibeke, kananjalo ugalele amanzi kuyo;

4 Hlanganisela kuyo inyama zayo; zonke inyama ezilungileyo, umlenze negxalaba; yizalise ngamatâmbô akêtîweyo.

5 Tâbatâ ezikêtîweyo zempahl' emfutshane, kananjalo amatâmbô uwafumbêle inkuni ngapântsi kwayo; yibilise kakuhle; kananjalo amatâmbô ayo makapêkwe pâkatî kwayo.

6 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yeha, mzindini unamagazi; mbîzandini inomhlwa, emhlwa ungasukiyo! yifole inyama ngenyama zayo; alipûmi nayo iqashiso.

7 Ngokuba igazi lawo lipâkatî kwawo; ulibeke engxondofeni ebalelelwe lilanga; awulipâlazanga emhlabeni, ukuba liselelwe lutûli;

8 Ukuze kunyuke ubushushu, ukuze ipîndezelwe impindezelo, igazi lawo ndilibeke engxondofeni ebalelelwe lilanga, ukuze lingaselelwa.

9 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yeha, mzindini unamagazi; nam ndiya kuyenza ibe nkulu imfumbâ yenkuni.

10 Fumbâ inkuni, kwezela umlilo, vutîsa inyama, ujiye umhluzi, atshe amatâmbô;

11 Uyibeke pêzu kwamalahle ayo, ingase nanto pâkatî, ukuze lufudumalo lutshe ubêdu lwayo, bunyibilike ubunqambî bayo pâkatî kwayo, umhlwa wayo ugqibele.

12 Izidinisile ngemigushanxa, awupûmi kuyo umhlwa wayo omninzi; mawube semlilweni umhlwa wayo.

13 Ebunqambîni bakô ngamanyala; ngenx' enokuba ndikuhlambûlule, akwahlambûluka; akusayi kuhlambûluka ebunqambîni bakô, ndide ndibupôlisele kuwe ubushushu bam.

Digitized by Google

14 Mna Yehova nditétile; iyeza lento, ndiya kuyenza; andiyi kuyeka, andiyi kuba nanceba, andikuzohlwaya; baya kukugweba ngokwendlela zakô nangokwentlondi zakô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisití,
16 Nyana ka-Adam, yabona, nditâbatâ kuwe intânda yamehlo akô ngesibetô; uz'ungambâmbâzeli, ungalili; makungapûmi inyembêzi kuwe.
17 Gcuma utê-cwaka; uz'ungenzi sijwili ngabafileyo, jikela unkontsho lwakô, unxibe imbâdada zakô ezinyaweni zakô, ungazigqubutêli indevu zakô-ezi pêzu komlomo, ungasidli isonka sabantu.
18 Ndatêtâ-ke nabantu kusasa; ngokuhlwa wafa umkam; ndenza-ke ngengomso njengoko wayendiwisele umtêtô ngako.
19 Batí abantu kum, Akusixeleli-na, ukuba ezizinto zití-nina kutí, ukuba wenje nje?
20 Ndatí kubo, Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisití,
21 Yití kwindlu ka-Sirayeli, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Yabonani, ndiya kuyincôlisa ingcwele yam, iqâyiya lamandla enu, intânda yamehlo enu, isizondelelo sompêfumlo wenu, bawe ngeřele onyana benu nentombí zenu enibashiyileyo;
22 Nenze-ke njengoko ndenze ngako: indevu ezipêzu komlomo aniyi kuzigqubutêla, ningasidli isonka sabantu;
23 Inkontsho zenu ziya kuba sentloko kuni, nembâdada zenu zibe sezinyaweni zenu; aniyi kumbâmbâzela, nilile; ke niya kungcungcutéka ebugwenxeni benu, nigcume omnye ekângele komnye;
24 U-Hezekeli abe simanga kuni; niya kwenza njengako konke akwenzileyo, ekuzeni kwako oko, niya kwazi ukuba ndiyi-Nkosi u-Yehova.

25 Wena-ke nyana ka-Adam, inyaniso, mini nditâbatâ kubo inqaba yabo, imihlali yesihombô sabo, intânda yamehlo abo, into abapâkamisela kuyo umpêfumlo wabo, onyana babo nentombí zabo;
26 Ngayo lomini kuya kufika osindileyo kuwe, avakalise oko ezindlebeni zakô;
27 Ngayo lomini uya kuvuleka umlomo wakô, kunye nosindileyo lowo, utêtê, ungabi saba sidenge; ube simanga kubo; bazi ukuba ndingu-Yehova.

25 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisití,
2 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô konyana baka-Amon, uprofete ngabo,
3 Utí konyana baka-Amon, Yivani ilizwi le-Nkosi u-Yehova; itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ngenx' enokuba usití kwingcwele yam, Tshotsho! ngokuba ihlanjelwe; nakumhlaba wakwa-Sirayeli, Tshotsho; ngokuba wenziwe kube senkangala; nakwindlu yakwa-Yuda, Tshotsho! ngokuba batínjwe.
4 Ngako oko, yabona, ndikunikela konyana basempumalanga, ukuba bamele kuwe, bamise inqili zabo kuwe, benze nendawo zokuhlala kwabo kuwe. Bona baya kudla iziqâmo zakô, basele amasi akô;
5 Ndiyenze i-Raba ibe liřiwa len-kamela, elonyana baka-Amon ndilenze libe yindawo yokubutâ kwemihlambi; nazi ukuba ndingu-Yehova.
6 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ngenx' enokuba ubetê esandleni sakô, wangqisha ngonyawo, wawuvuyela umhlaba wakwa-Sirayeli ngokucekisa kompêfumlo:
7 Ngako oko yabona, ndisolula pêzu kwako isandla sam, ndikunikele ezintlangeni, ukuba ube lixôba, ndikunqumle ezizweni, ndikwenze udake ungabikô emazweni. Ndiya kukutshabalalisa; wazi ukuba ndingu-Yehova.

8 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutí, Ngenx' enokuba besití o-Mowabi no-Sehire, Yabonani, injengentlanga zonke indlu zakwa-Yuda;
9 Ngako oko yabonani, ndivula icala lika-Mowabi, nditâbatêla emizini, nditâbatêla emizini yakê, kwesekupêleni kwakê, eligugu lelizwe: i-Bete-yeshimoti, ne-Bahali-mehon, ndise e-Kiriyatayim,
10 *Ndilivulele* onyana basempumalanga, kunye nelonyana baka-Amon, ndibanike limiwe, ukuze bangabi sakûnjulwa ezintlangeni onyana baka-Amon;
11 Ndenze izigwebo kwa-Mowabi; bazi ukuba ndingu-Yehova.

Digitized by Google

12 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba u-Edom esebenze ngokupîndezela impindezelo kwindlu yakwa-Yuda, wazeka ityala elikûlu ngokupîndezela kubo;

13 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiya kusolula isandla sam napêzu kwelakwa-Edom, ndinqumle kulo umntu nenkomo, ndilibafise, kutâbatêle kwa-Teman, bawe ngeřele, kuse nakwa-Dedan;

14 Ndipîndezele kwa-Edom ngesandla sabantu bam ama-Sirayeli, benze kwa-Edom ngokomsindo wam nangokobushushu bam; bakwazi-ke ukupîndezela kwam, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenxa yokwenza kwama-Filisti ngempindezelo, epîndezela ngempindezelo, ecekisa empêfumlweni, esonakalisa enobutshaba obungunapâkade;

16 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndiya kusolula isandla sam pezu kwama-Filisti, ndiwanqumle ama-Kreti, ndiwatshabalalise amasalela aselunxwemeni lolwandle,

17 Ndenze kuwo impindezelo ezinkulu ezishushu; bazi ukuba ndingu-Yehova, ekwenzeni kwam impindezelo kuwo.

26 Kwatî ngomnyaka weshumi elinamnye, ngolokuqala enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, litî,

2 Nyana ka-Adam, ngenx' enokuba i-Tire isitî nge-Yerusalem, Tshotsho, lwapûkile ucango lwezizwe; luvulekele kum; ndiya kucûma mna, ibe linxuwa yona!

3 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndikucâsile, Tire; ndiya kukunyusela intlanga ezininzi, njengokuba ulwandle lunyusa amaza alo;

4 Ziziqûqê indonga zase-Tire, zizigungxule inqaba zakô ezinde, ndilutshayele utûli lwayo kuyo, ndiyenze ibe yingxondofa ebalelelwe lilanga.

5 Iya kuba yindawo yokwanekela iminatâ pâkatî kolwandle; ngokuba ndiřêtîle, itsho i-Nkosi u-Yehova, ibe lixôba lentlanga;

6 Namagxamesi ayo asemapândleni abulawe ngeřele; bazi ukuba ndingu-Yehova.

7 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, i-Tire ndiya kuyizisela u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, evela e-Ntla, ukumkani wokumkani, enamahashe nenqwelo zokulwa, nabakwêli nesikûngu sabantu nabantu abaninzi.

8 Amagxamesi akô asemapândleni uya kuwabulala ngeřele, akumisele inqaba yokubonisela, afumbê kuwe udonga lokungqinga, akumisele ikûsi lamakâka,

9 Abêkise ezindongeni zakô impahla zakô zokutŷomfa, azidilize inqaba zakô ezinde ngentsimbî zakê.

10 Ngenxa yoninzi lwamahashe akê utûli lawo luya kukugubungela; indonga zakô ziya kunyikima ngenxa yesandi sabakwêli, ne-vili, nenqwelo zokulwa, ekungeneni kwakê ngamasango akô, njengabangena emzini oqêkezwayo.

11 Ngamanqina amahashe akê uya kuzigqusha izi-trate zakô zonke; uya kubabulala abantu bakô ngeřele, intsika zakô ezinamandla aziwise emhlabeni;

12 Babutîmbê ubutyebi bakô, bayipânge into ofwêba ngayo, bazigungxule indonga zakô, bazidilize indlu zakô ezinqwenelekayo, bawatshonise emanzini amatye akô, nemitî yakô notûli lwakô;

13 Ndilupêlise ulwandile lwengoma zakô, singabi saviwa isandi sehadi zakô;

14 Ndikwenze ube yingxondofa ebalelelwe lilanga; uya kuba yindawo yokwaneka iminatâ; akusayi kuba sakîwa; ngokuba mna Yehova nditêtîle, itsho i-Nkosi u-Yehova.

15 Itsho i-Nkosi u-Yehova kwi-Tire, ukutî, Aziyi kunyikima-na iziqiti ngenxa yesitônga sokuwa kwakô, ekuncwineni kwabanxweleřiweyo ekubulaweni, kwaba pâkatî kwakô?

16 Behle ezi-troneni zabo bonke abazizikûlu zolwandle, bazisuse ingubo zabo zokwaleka, bazihlube ingubo zabo ezimfakamfele; bambâtê ukugubâ, bahlale pântsi emhlabeni, bagube ngamapânyazo onke, bamangaliswe nguwe;

17 Bakupâkamisele isijwili, batî kuwe, Yô! utê-nina ukudaka, wena ubumiwe ngabelwandle, wena mzindini udumileyo, owawomelele elwandle, wona nabemi bawo obubaqipûkis' umbilini abemi bawo bonke.

18 Ngoku ziyagubâ iziqiti ngomhla wokuwa kwakô, zikwanqiswe iziqiti eziselwandle ngenxa yokupêla kwakô.

Digitized by Google

19 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ekukwenzeni kwam ube ngumzi olinxuwa njengemizi engasamiweyo; ekuwanyuseni kwam pezu kwako amanzi anzongonzongo; akugubungele amanzi amaninzi.

20 Ndikuhlisele kwabahle baya emhadini, ndikuse ebantwini basendaleni, ndikuhlalise ezweni langapantsi, emanxuweni asendaleni, nabahle baya emhadini, ukuze ungamiwa; ndenze ubukazikazi ezweni labahleliyo;

21 Ndokwenza ube sikwanqiso, ungabiko; bakufune, bangabi sakufumana napakade, itsho i-Nkosi u-Yehova.

27 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

2 Wena-ke, nyana ka-Adam, yipakamisele isimbonono i-Tire,

3 Uti kwi-Tire, Wena uhleliyo ezingenweni zelwandle, mfwebelikazi wezizwe eziqitini ezininzi, itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Tire, uti wena, ndimhle kwapela.

4 Isembilinini yelwandle imida yako, abaki bako bakwenze wamhle kwapela.

5 Ngemi-sipres yase-Senire bakwakele zonke i-deke zako, batabata imi-sedare yase-Lebanon ukwenza i-masti kuwe.

6 Bawenza ngemi-oki yase-Bashan amapini ako okubeqa; izi-tulo zako bazenza ngempondo zendlovu, ezifakelwe igalagala laseziqitini zama-Kiti.

7 I-linen ecikizekileyo emfakamfele yase-Yiputa yabi yi-seyile yako, ukuba ibe yi-banile kuwe; ingubo emsi nemfusa yaseziqitini zakwa-Elisha yaba ngumtunzi wako.

8 Abemi base-Tsidon ne-Arvadi babe ngababeqi bako; izilumko zako, Tire, zaba pakati kwako, zaba ngabaqubi bako.

9 Amadoda amakulu ase-Gebali neziluko zakona ebezikuwe, zaba ngabalungisi bentanda zako; yonke imikombe yolwandle ibi kuwe, no-mateloshe bayo ukuba yanane ufwebo lwako.

10 Ama-Persi nama-Ludi nama-Puti ebe semkosini wako, engamadoda ako okulwa; abezixoma kuwe ingweletshetshe neziqcina-ntloko; akunika ubungangamela wona.

11 Onyana base-Arvadi babe nomkosi wako pezu kwendonga zako ngenxa zonke, namaroti abe sezinqabeni zako ezinde; axoma ingweletshetshe zawo ezindongeni zako ngenxa zonke; wona akwenza wamhle kwapela.

12 I-Tarshishe yafwebelana nawe ngenxa yobuninzi bobuncwane bonke, bakufolela i-silvere, nesinyiti, ne-bekile, nelote, ngempahla zako.

13 O-Yavan no-Tubali no-Mesheki babe ngabafwebeli bako, bafwebisana nawe ngeziqu zabantu nangempahla zobedu.

14 Abendlu ka-Togarma bakufolela amahashe enqwelo zokulwa nawokukwela nondlebende ngempahla zako.

15 Onyana baka-Dedan babe ngabafwebeli bako; iziqiti ezininzi bezifwebisana nawe, zakubuyisela impondo zendlovu nemizimbiti, yasitabataba.

16 U-Aram wafwebelana nawe ngenxa yobuninzi bento ozenzayo, bakufolela ikarbunkolo, nengubo ezimfusa nezimfakamfele, ne-linen ecikizekileyo, ne-korale, ne-rubi, ngempahla zako.

17 Elakwa-Yuda nelizwe lakwa-Sirayeli belingabafwebeli bako; bafwebisana nawe ngenqolowa yase-Miniti nangemiqatane, nangobusi, nange-oli, nangamafuta aqoliweyo.

18 I-Damasko yafwebelana nawe, ngenxa yobuninzi bento ozenzayo, ngenxa yobuninzi bobuncwane bonke, nge-warini yase-Helebon nangoboya begusha obuqaqambileyo.

19 O-Vedan no-Yavan wase-Uzali bakufolela intsimbi ekandiweyo, i-kasiya nekalamo bezisekufwebeni kwako.

20 U-Dedan ube ngumfwebeli wako wezidwashu zokukwela.

21 Elakwa-Arabi nezikulu zonke zakwa-Kedare bezifwebisana nawe, zafwebisana nawe ngamatakane nangenkunzi zegusha nangenkunzi ze-bokwe.

22 Abafwebi bakwa-Sheba nabakwa-Rama babe ngabafwebeli bako, bakufolela ubulawu bonke obuyintloko, namatye onke anqabileyo ne-golide ngempahla zako.

23 O-Haran no-Kane no-Eden, abafwebi bakwa-Sheba, nabakwa-Asuri, nabase-Kilemadi babe ngabafwebeli bako;

24 Babe ngabafwebeli bako ngengubo ezintle kwapela, nangengubo zokwalcka ezimsi nezimfakamfele, nangobutyebi bedamasti; ezonto zitandelwe zaqinisiwa nganaqamesi, ukuba ziye e-marikeni yako.

25 Inqanawa zase-Tarshishe bezingaba-

Digitized by Google

tûtî bakô nabolwananiso lwakô. Wacûma-ke, wazuka kakûlu embîlinini yelwandle.

26 Bakusa emanzini amakûlu ababêqi bakô; umoya wasempumalanga wakwapûla embîlinini yelwandle.

27 Ubuncwane bakô nempahla zakô otêngise ngazo, nezinto zakô ozananileyo, no-mateloshe bakô, nabaqûbi bakô, nabalungisi bentânda zakô, nabananisi bento zakô zokwananwa namadoda akô onke okulwa apâkatî kwakô, kunye nesikûngu sakô sonke esipâkatî kwakô, bapâlala embîlinini yelwandle ngemini yokuwa kwakô.

28 Ngenxa yezwi lokukâla labaqûbi bakô ayanyikima amadlelo;

29 Behle emikômbeni yabo bonke ababêqi no-mateloshe, bonke abaqûbi baselwandle, bezo kuma emhlabeni,

30 Balivakalise izwi labo pêzu kwakô, bakâle kaŕaŕa, bazigalele ngotûli entloko, bazigalele ngotûtû,

31 Bazicêbe intloko ngenxa yakô, babîngqe ezîwexayo, bakulilele ngobuŕaŕa bompêfumlo wabo, bebâmbâzela kaŕaŕa;

32 Bakupâkanisele isimbônono esimemeni sabo, bakwenzele isimbônono, besitî, Ngubanina onjenge-Tire, onjengobetwe watî-cwaka embîlinini yelwandle?

33 Ekupûmeni kwempahla zakô otêngise ngazo ezilwandleni, wahlutisa izizwe ezininzi; ngobuninzi bobuncwane bakô nobolwananiso lwakô wabatyebisa okumkani bomhlaba.

34 Kungoku, wapûkilé-nje umkile ezilwandleni, ezinzulwini zamanzi; luwile nawe ulwananiso lwakô nesikûngu sakô sonke.

35 Bonke abemi beziqiti bayakumangaliswa nguwe, okumkani bazo babe namanwele benamanwele, butê-ntshwa ubuso babo.

36 Abaŕwebi abasezizweni bayakwenza umsondlo; usuke ube sikwanqiso, ungabi sabakô napâkade.

28 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, Yitî kwingânga ye-Tire, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba intliziyo yakô ipâkamile, usitî, Ndingutîxo, ndihleli esihlalweni so-Tîxo embîlinini yelwandle, pofu ungumtu, unge-Tîxo, nakuba uyenze intliziyo yakô yanjengentliziyo yo-Tîxo,

3 Yabona, ulumke kambê nangapêzu ko-Daniyeli; zonke izinto ezisitêleyo azisitêlisiwe kuwe.

4 Ngobulumko bakô nangengqondo yakô uzenzele ubuhandiba, wangenisa i-golide ne-silvere ebuncwaneni bakô;

5 Ngobuninzi bobulumko bakô ubandisile ubuhandiba bakô, ngoŕwebo lwakô; yapâkama intliziyo yakô ngobuhandiba bakô;

6 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba wayenza intliziyo yakô yanjengentliziyo yo-Tîxo;

7 Ngako oko uyabona, ndiya kukuzisela abasemzini abangcangcazelisi basezintlangeni; babuŕolele amaŕele abo ubuhle bobulumko bakô, bakuhlambêle ukubengezela kwakô.

8 Baya kukuhlisela esihogweni, ufe ngokuŕa kwababuleweyo, embîlinini yelwandle.

9 Wotsho ubuy'utsho-na ukutî, Ndingu-Tîxo, pâmbî kombulali wakô? ungumntunje, unge-Tîxo esandleni sokuhlabayo.

10 Uya kuŕa ukuŕa kwabangalukileyo ngesandla sabasemzini; ngokuba nditêtîle, itsho i-Nkosi u-Yehova.

11 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, litî,

12 Nyana ka-Adam, mpâkamisele isimbônono ukumkani wase-Tire, utî kuye, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Wena lutywino lwesakîwo esilinganiselweyo kakuhle, uzeleyo bubulumko, umhle kwapêla.

13 Ubuse-Eden emyezweni ka-Tîxo; onke amatye anqabileyo abe sisigubungelo sakô: i-sardiyo, ne-topazi, ne-dayiman, ne-krisolito, ne-berilo, ne-yaspi, ne-safiro, ne-karbunkolo, ne-smarado, ne-golide; umsebenzi wengqongqo zakô nowamankazana akô wawukuwe; ngemini yokudalwa kwakô ezonto zalungiswa.

14 Wauyi-kerubi etânjisiweyo egqubutêlayo; ndakwenza-ke, wasentabeni engcwele ka-Tîxo, wahambâhambâ pâkatî kwamatye anomlilo.

15 Wagqibelela ngendlela zakô kususela kwemini yokudalwa kwakô, kwada kwafumaneka ubugqwetâ kuwe.

16 Ngobuninzi boŕwebo lwakô umbilini wakô wazala kugonyamela, wôna-ke. Ndiya kulahla wena, ngokwento encolileyo, umke entabeni ka-Tîxo, ndikutshabalalise,

Digitized by Google

kerubi igqubutêlayo, usuke pâkatî kwamatye anomlilo.

17 Intliziyo yakô ipâkamile ngenxa yobuhle bakô, ubonakalisile ubulumko bakô kunye nokubengezela kwakô; ndikukâhlela emhlabeni, ndiwenze ube ngumbonelo pâmbî kokumkani.

18 Ngobuninzi bobugwenxa bakô ebugqwetêni bofwebo lwakô uzihlambêle ingcwele zakô; ndivelisa-ke umlilo kwapâkatî kwakô, uya kukutshisa wona, ndikwenze ube lutûtû emhlabeni emehlweni abo bonke abakubonayo.

19 Bonke abakwaziyo ezizweni baya kumangaliswa nguwe, usuke ube sikwanqiso, ungabuye ubekô napâkade.

20 Kwafika ilizwi lika-Tixo kum, lisitî, 21 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô e-Tsidon, uprofete ngayo,

22 Utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uyabona, ndikucâsile, Tsidon, ndizizukise pâkatî kwakô; bazi ukuba ndingu-Yehova, ekwenzeni kwam izigwebo kuyo, ndizingcwalisele kuyo.

23 Ndiya kutûmela kuyo indyikitya yokufa negazi ezi-trateni zayo; bawe abanxwelefiweyo pâkatî kwayo ngefele, eliyifikelayo ngenxa zonke; bazi ukuba ndingu-Yehova.

24 Kungabi sabikô ameva anobuhlungu noviko olwenza buhlungu kwindlu ka-Sirayeli, lupûma kubo bonke abangenxa zonke kuyo, abayicukuleyo; ke bazi ukuba ndingu-Yehova.

25 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ekuyibutêni kwam indlu ka-Sirayeli ezizweni, abapângalaliswe kuzo, ndiya kuzingcwalisela kubo emehlweni entlanga, bahlale emhlabeni wabo, endawunika isicaka sam u-Yakobi,

26 Bahlale kuwo bekôlosile, bakê izindlu, batyale izi-diliya, bahlale bekôlosile ekwenzeni kwam izigwebo kubo bonke ababacukulayo, abangenxa zonke kubo; bazi ukuba ndingu-Yehova u-Tixo wabo.

29 Ngomnyaka weshumi, ngenyanga yeshumi, ngolweshumi elinesibini enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum lisitî,

2 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bakô ku-Faro ukumkani wase-Yiputa, uprofete ngaye nange-Yiputa yonke ipêla,

3 Têtâ, utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uyabona, ndikucâsile, Faro kumkani wase-Yiputa, ngwenya inkulu ibutumileyo emijelweni yayo yom-Nayile, itshoyo ukutî, Ngowam umlambô, ndizenzele mna.

4 Ndiya kufaka amakônco emihlatîni yakô, ndizinamatîsele emaxolweni akô intlanzi zemijelo yakô, ndikufole emijelweni yakô nentlanzi zonke zemijelo yakô, ezinamatêle emaxolweni akô;

5 Ndikulahlele entlango, wena nentlanzi zonke zemijelo yakô. Uya kuwa endle; akuyi kuhlanganiswa ubutwe; ndikunikele ukuba ube kukudla kwamafamncwa elizwe nentaka zezulu;

6 Bazi bonke abemi base-Yiputa ukuba ndingu-Yehova. Ngokokuba ibi ngumsimelelo wengcongolo kwindlu ka-Sirayeli,—

7 Bakubambêlela kuwe ngamahlamvu akô, usuka uvikiveke, ufazule lonke igxalaba labo, uti bakusimelela ngawe, wapûke, ugxadazelise zonke izinqe zabo;—

8 Ngako oko, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uyabona, ndikuzisela ifele, ndinqumle kuwe umntu nenkomo;

9 Ilizwe le-Yiputa kube senkangala, libâfe; bazi ukuba ndingu-Yehova, ngenx' enokuba usitî, Umlambô ngowam, ndizenzele mna.

10 Ngako oko uyabona, ndikucâsile nemijelo yakô, ndiya kulibâfisa ilizwe le-Yiputa libâfe, kube senkangala, litâbatêle e-Migidoli, lise e-Sevene, lise emdeni wakwa-Kushi.

11 Akuyi kucanda lunyawo lwamntu kulo, akuyi kucanda nqina lankomo kulo, lingemiwa iminyaka engamashumi amane;

12 Ndilenze kube senkangala ilizwe le-Yiputa pâkatî kwamazwe abâfileyo, ibe ngamanxuwa imizi yalo pâkatî kwemizi engamanxuwa iminyaka engamashumi amane; ndiwapângalalisele ama-Yiputa ezintlangeni, ndiwacîtâcîtê emazweni.

13 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ekupêleni kweminyaka engamashumi amane ndiya kuwabutâ ama-Yiputa ezizweni, abepângalaliselwe kuzo;

14 Ndibuyise ukutînjwa kwe-Yiputa, ndiwabuyise elizweni lase-Patrosi, ezweni lokuvela kwawo, abe sikumkani esîpântsi kôna.

15 Ezikumkanini aya kuba sesipântsi, angabi sazipâkamisa ngokwawo pezu kwe-

Digitized by Google

ntlanga, ndiwancipise, ukuze angazinyatèleli pântsi intlanga,
16 Angabi saba yinkoloseko yendlu ka-Sirayeli, ekûmbûza ubugwenxa ngokubêka kwayo kuwo; azi ukuba ndiyi-Nkosi u-Yehova.

17 Kwatî ngomnyaka wamashumi omabini anesixênxe, ngenyanga yokuqala, ngolokuqala enyangeni leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
18 Nyana ka-Adam, u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli, impi yakê uyisebenzise umsebenzi omkûlu e-Tire; zonke intloko zikûtûkile, onke amagxalaba atyabukile; ukanti akabanga namvuzo-ke yena nempi yakê e-Tire ngenxa yomsebenzi awusebenzileyo kuyo.
19 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Uyabona, u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli ndimnika ilizwe lase-Yiputa, ukuba atûtê intabalala yalo, atîmbê intimbô yalo, apânge ixôba lalo, ezonto zibe ngumvuzo wempi yakê.
20 Umvuzo wakê awusebenzeleyo ndimnika ilizwe le-Yiputa; ngokuba babesebenzele mna, itsho i-Nkosi u-Yehova.

21 Ngayo lomini ndiya kuyihlumisela upôndo indlu ka-Sirayeli, ndikunike ukuvulwa komlomo pâkatî kwabo; bazi ukuba ndingu-Yehova.

30 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
2 Nyana ka-Adam, profeta utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Bômbôlozani, nitî, Hayi-ke! lemini.
3 Ngokuba ikufupî lemini, ikufupî imini ka-Yehova, imini yamafu; iya kuba lixesha lentlanga;
4 Liyifikele ilele i-Yiputa, kuya kubakô ukuzibijabija kwa-Kushi, ekuweni kwababuleweyo e-Yiputa, itâtyatwe intabalala yayo, zicîtwe iziseko zayo.
5 Ama-Kushi nama-Puti nama-Ludi nomxukuxela wonke nama-Kubi nonyana belizwe lomnqopiso baya kuwa ngelele ndawo-nye nayo.

6 Utsho u-Yehova ukutî, Baya kuwa abaxâsi be-Yiputa, lihle iqâyiya lamandla ayo. Baya kutâbatêla e-Migidoli, base e-Sevene, besiwa ngerele kuyo, itsho i-Nkosi u-Yehova;
7 Kwelama-Yiputa kube senkangala pâkatî kwamazwe abâfileyo, nemizi yalo ibe pâkatî kwemizi engamanxuwa;
8 Bazi ukuba ndingu-Yehova ekufakeni kwam umlilo e-Yiputa, bapûke bonke abancedi balo.
9 Ngayo lomini kuya kupûma kum abatûnywa ngenqanawa, ukuze betûse ama-Kushi akôlosileyo, azibijabije ngokwawo njengasemini ye-Yiputa; ngokuba uyabona, iyeza lonto.

10 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiya kuyipêlisa ingxokolo ye-Yiputa ngesandla sika-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli.
11 Yena enabantu bakê, abangcangcazelisi basezintlangeni, baya kuziswa ukuba balitshabalalise ilizwe, bayifolele amarele abo i-Yiputa, balizalise ilizwe ngababuleweyo;
12 Ndiyomise imijelo yom-Nayile, nditêngise ngelizwe ezandleni zabanobubi, ndilenze kube senkangala ilizwe nenzaliseko zalo ngezandla zabasemzini; mna Yehova nditêtile.
13 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndiya kuzidakisa izigodo, ndizipêlise izitîxo ezinge nto e-Nofu, kungabi sabikô sikûlu sasezweni lase-Yiputa, ndingenise ukoyika ezweni lase-Yiputa;
14 Ndiyenze kube senkangala i-Patrosi, ndifake umlilo e-Tsohan, ndenze izigwebo kwi-No;
15 Nditûlule ubushushu bam pêzu kwe-Sin, inqaba yase-Yiputa; ndiyinqumle ingxokolo yase-No;
16 Ndifake umlilo e-Yiputa; i-Sin iya kuzibijabija izibijabije, ne-No inqikwe, ne-Nofu ibe nababandezeli emini.
17 Amadodana ase-Aven nase-Pi-besete aya kuwa ngerele, yona-ke lomizi itînjwe.
18 E-Tapanesi iya kuba mnyama imini, ekuzapûleni kwam kona i-dyokwe zase-Yiputa, lipêle kuyo iqâyiya lamandla ayo. Amafu aya kuyisibekela, namagxamesi ayo atînjwe;
19 Ndenze izigwebo e-Yiputa; bazi ukuba ndingu-Yehova.

20 Kwatî ngomnyaka weshumi elinamnye, ngenyanga yokuqala, ngolwesixênxe enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
21 Nyana ka-Adam, ingalo ka-Faro u-

Digitized by Google

kumkani wase-Yiputa ndiyapûle; uyabona, ayi kubotshwa ukuba ifakwe umhlabelo, ukuba ibotshwe ngezitândelo, ukuba yomelele, ukuba ipâtê irele.

22 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Yabona, ndimcâsile u-Faro ukumkani wase-Yiputa, ndiya kuzapûla ingalo zakê, eyomeleleyo kwa neyapûkileyo, ndilivutûlule irele esandleni sakê;

23 Ndiwapângalalisele ama-Yiputa ezintlangeni, ndiwacîtâcîtê emazweni;

24 Ndizomeleze-ke ingalo zokumkani wase-Babeli, ndibeke irele lam esandleni sakê, ndizapûle ingalo zika-Faro, ancwine pâmbî kwakê ngoncwino lonxwelefiweyo;

25 Ndizomeleze ingalo zokumkani wase-Babeli, ziwe ingalo zika-Faro; bazi ukuba ndingu-Yehova, ekulibekeni kwam irele esandleni sokumkani wase-Babeli, alolule pêzu kwelizwe lase-Yiputa;

26 Ndiwapângalalisele ama-Yiputa ezintlangeni, ndiwacîtâcîtê emazweni, bazi ukuba ndingu-Yehova.

31 Kekaloku kwatî ngomnyaka weshumi elinamnye, ngenyanga yesitâtû, ngolokuqala enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

2 Nyana ka-Adam, yiti ku-Faro ukumkani wase-Yiputa nakwingxokolo yakê, Ufana nabanina ngobukûlu bakô?

3 Uyabona, u-Asuri ebe ngum-sedare wase-Lebanon, omasebe mahle, cyintshinyela yemiti enomtûnzi, epâkamile ngobude, aba pâkatî kwengqimbâ zamafu amantloko akê.

4 Amanzi amkûlisa, amanzi enzonzobila ampâkamisa, imilambô yawo yahambâ ngenxa zonke elutyalweni lwawo, atûmela imijelo yawo kuyo yonke imiti yasendle.

5 Ngako oko ubude bakê bapâkama bangapêzulu kwayo yonke imiti yasendle; imbâxa zakê zanda, namahlamvu akê aba made ngenxa yamanzi amaninzi ekunabeni kwakê.

6 Zonke intaka zezulu zakâ ezimbâxeni zakê, zonke izinto ezipîlileyo zasendle zazakêla pântsi kwamahlamvu akê, zonke intlanga ezinkulu zahlala emtûnzini wakê.

7 Wamhle ngobukûlu bakê, ngobude bamasebe akê; ngokuba ingcambû yakê yabi semanzini amaninzi.

8 Imi-sedare esemyezweni ka-Tixo ayimsitânga; imi-sipres ayifananga nembâxa zakê, nemi-platane ayibanga njengamahlamvu akê; yonke imiti emyezweni ka-Tixo ayifananga naye ngobuhle bayo.

9 Ndamenza mhle ngobuninzi bamasebe akê, yanomona ngaye yonke imiti yase-Eden, esemyezweni ka-Tixo.

10 Ngako oko yatsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ngenx' enokuba ezipâkamisile ngobude, wawanyusela amantloko akê pâkatî kwengqimbâ zamafu, yazinyusa intliziyo yake ngokupâkama kwakê:

11 Ndiya kuninikela esandleni senjengele yentlanga; inene, iya kumenza ngendawo; ndamgxotâ ngenxa yokungendawo kwakê.

12 Bamnqumla abasemzini, abangengcazelisi basezintlangeni, bamlahla. Ezintabeni nasemifuleni yonke awa amasebe akê; amahlamvu akê apûkela ezihlanjeni zomhlaba wonke; zehla zemka emtûnzini wakê zonke izizwe zomhlaba, zamlahla.

13 Pêzu kwesibili sakê esiwileyo kuhlala zonke intaka zezulu, zifike emahlamvini akê zonke izinto ezipîlileyo zasendle;

14 Ukuze ingazipâkamisi ngenxa yobude bayo yonke imiti yasemanzini, ingawanyuseli pâkatî kwengqimbâ zamafu amantloko ayo, ingazimeli ngokwayo ekuzipâkamiseni kwayo yonke esela amanzi; ngokuba bonke bepêla benikelwe ekufeni, ezweni langapântsi, pâkatî konyana baka-Adam, kwabahle baya emhadini.

15 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ngemini yokuhla kwakê ukuya kwelabafileyo, ndabanga isijwili, ndawagqubutêla ngenxa yakê amanzi anzongonzongo, ndatîntela imilambô yawo, avingcelwa amanzi amakûlu; ndayambâtîsa i-Lebanon ngezimnyama zokuzila ngenxa yakê, yonke imiti yasendle yet' amandla ngenxa yakê.

16 Ngesitônga sokuwa kwakê ndazinyikimisa intlanga, ekumhliseleni kwam ukuba aye kwelabafileyo nabahle baya emhadini; yatûtûzeleka ezweni langapântsi yonke imiti yase-Eden enyuliweyo emhle yase-Lebanon, yonke esela amanzi.

17 Nabo njengaye behla baya kwelabafileyo kwababuleweyo ngerele ababe yingalo yakê, behleli emtûnzini wakê pâkatî kwentlanga.

18 Kunjalo-nje ufana nabanina ngobuqaqauli nangobukûlu emitîni yase-Eden?

Digitized by Google

Uya kuhliselwa nemiti yase-Eden ezweni langapântsi; uya kulala pâkati kwabangalukileyo kwa nababuleweyo ngefele; ngu-Faro ke-lowo nengxokolo yakê yonke, itsho i-Nkosi u-Yehova.

32 Kekaloku kwati ngomnyaka weshumi elinesibini, ngenyanga yeshumi elinesibini, ngolokuqala enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

2 Nyana ka-Adam, Menzele isimbônono u-Faro ukumkani wase-Yiputa, uti kuye, Wafanekiswa nengonyama entsha yentlanga, nakuba ube unjengengwenya elwandle; waxûma emilanjeni yakô, wawagxoba amanzi ngamatûpâ akô, wayinyatêla imilambô yawo.

3 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ndiya kuwutwabulula pêzu kwakô umnatâ wam kuhye nesikungu sesizwe ezininzi, zikunyuse ngomnatâ wam,

4 Ndikulahlele emhlabeni, ndikujulele ebusweni belizwe, ndizihlalise pêzu kwako zonke intaka zezulu, ndizihlutise ngawe izinto ezipîllileyo zomhlaba wonke;

5 Ndiyibeke pêzu kwentaba inyama yakô, ndiyizalise imifula ngezidumbu zakô;

6 Ndiwuseze umhlaba ngokupâlala kwegazi lakô, lise ezintabeni; zizale izihlambô nguwe;

7 Ndilisibekelise izulu ekukucimeni kwam, ndizambâtise inkwenkwezi zalo ngezimnyama zokuzila. Ndiya kulisibekela ilanga ngamafu, nenyanga ingakânyisi ngokukânya kwayo.

8 Zonke izikânyiso ezikânyisayo ezulwini ndiya kuzambâtisa ngezimnyama zokuzila ngenxa yakô; ndenze ubumnyama pêzu kwelizwe lakô, itsho i-Nkosi u-Yehova;

9 Ndiyenze ibe buhlungu intliziyo yentlanga ezininzi, ekukuseni kwam ukwapûlwa kwakô ezintlangeni, emazweni ongawazanga;

10 Ndizimangalisise ngawe izizwe ezininzi, babe namanwele nokuba namanwele ngawe okumkani bazo, ekulingiseni ifele lam ebusweni babô, bagubê ngamapânyazo onke, elowo ngenxa yompêfumlo wakê, ngemini yokuwa kwakô.

11 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ifele lokumkani wase-Babeli liya kukufikela.

12 Ndiya kuyiwisa ingxokolo yakô ngamafele amagoti; ngabangcangcazelisi basezintlangeni bonke bepêla; balibûqe iratshi le-Yiputa, itshabalale yonke ingxokolo yayo;

13 Ndizitshabalalise zonke inkomo zayo, zimke emanzini amakûlu, lungabi sawagxoba unyawo lomntu, namanqina enkomo angawagxobi.

14 Oko ndiya kuwawutisa amanzi ayo, nemilambô yayo ndiyihambise ngokweoli, itsho i-Nkosi u-Yehova;

15 Ndakulenza kube senkangala ilizwe lase-Yiputa, lenziwe-ke kube senkangala ilizwe, lingabi nayo inzaliseko yalo, ekubaxabeleni kwam bonke abemi balo; bazike ukuba ndingu-Yehova.

16 Siso esi isimbônono, siya kuvunywa ngokwesimbônono; intombi zentlanga ziya kuyivuma ngokwesimbônono; nge-Yiputa nangengxokolo yayo yonke ziya kuyivuma ngokwesimbônono, itsho i-Nkosi u-Yehova.

17 Kekaloku kwati ngomnyaka weshumi elinesibini, ngolweshumi elinesihlanu enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

18 Nyana ka-Adam, yenza isimema ngengxokolo yase-Yiputa, uyihlisele yona nentombi yentlanga ezingangamsha, ezweni langapândle, nabahle baya emhadini.

19 Udlule banina ngobuhle bakô? yihla ulale kwabangalukileyo.

20 Baya kuwa pâkati kwababuleweyo ngefele; ifele linikelwe esandleni; yiqweqwediseni nengxokolo yawo yonke.

21 Ziya kutêtâ ngaye injengele zamagofa pâkati kwelabafileyo nabancedi bakê, ziti Behlile, balele kôna, abangalukileyo, bebulewe ngefele.

22 Ukôna u-Asuri nebandla lakê lonke, ngenxa zonke kuye ngamancwaba abo, bonke bepêla bebulewe, bewe ngefele.

23 Abamancwaba abo enziwe emhadini pâkati, ibandla lakê lingenxa zonke encwabeni lakê; bonke bepêla bebulewe, bewe ngefele ababesotûs' ilizwe labahleliyo.

24 Ukôna u-Elam, nengxokolo yakê yonke engenxa zonke encwabeni lakê; bonke bepêla bebulewe, bewe ngefele, ababehle baya ezweni langapântsi bengalukile, ababesotûs' ilizwe labahleliyo batwala ihlazo labo nabahle baya emhadini.

25 Bamenzela isilili pâkati kwababule-

Digitized by Google

weyo, enengxokolo yakê yonke, angenxa zonke kuye amancŵaba ayo; bonke bepêla bengalukile, bebulewe ngeřele; ngokuba betûs' abasezweni labahleliyo, batŵala ihlazo nabahle baya emhadini; ubekwe pâkatî kwababuleweyo.

26 Ukôna u-Mesheki-tubali nengxokolo yakê yonke, engenxa zonke kuye amancŵaba ayo; bonke bepêla bengalukile, bebulewe ngeřele; ngokuba besotûs' ilizwe labahleliyo.

27 Ke abayi kulala namagoła awileyo angawabangalukileyo, abehlayo baya kwelabafileyo benempahla zokulwa, ebekwe amařele abo pântsi kwentloko zabo; ke ubugwenxa babo buwafikele amatâmbô abo; ngokuba babesotûs' amagoła ezweni labahleliyo.

28 Nawe-ke uya kwapûlwa pâkatî kwabangalukileyo, ulale nababuleweyo ngeřele.

29 Ukôna u-Edom, okumkani bakê nezikûlu zakê zonke, abati benobugoła babekwa kwababuleweyo ngeřele; balala nabangalukileyo, nabahle baya emhadini.

30 Zikôna inkosi zase-Ntla, zonke zipêla nama-Tsidon onke, ezehlayo nababuleweyo; zidanile noko beziqîpukis' umbilini ngobugoła bazo; zilele zingabangalukileyo kwa nababuleweyo ngeřele, zitŵele ihlazo lazo nabahle baya emhadini.

31 U-Faro uya kubabona, atûtûzeleke ngenxa yengxokolo yakê yonke; u-Faro ubulewe ngeřele nempi yakê yonke, itsho i-Nkosi u-Yehova.

32 Ngokuba ndamnika ukuba otûs' ilizwe labahleliyo; ulalisiwe-ke pâkatî kwabangalukileyo kwa nababuleweyo ngeřele, u-Faro nengxokolo yakê yonke, itsho i-Nkosi u-Yehova.

33 Kekaloku kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, têtâ konyana bababantu bakowenu, utî kubo, Xa nditê ilizwe ndalizisela irele, abantu belizwe-elo batâbatâ indoda yasezipêlweni zabo, bayimisa ukuba ibe ngumboniseli kubo;

3 Yabona irele lilifikela ilizwe-elo, yavulêla isigodlo, yabavusa abantu;

4 Ke umntu otê waliva izwi lesigodlo, akavuswa, lafika irele-elo, lamtâbatâ: loba sentloko yakê igazi lakê.

5 Izwi lesigodlo ulivile, akavuswa, igazi lakê loba pêzu kwakê; evusiwe, ange ewusizile umpêfumlo wakê.

6 Umboniseli lowo, xa atê walibona irele lisiza, akavutêla isigodlo, akabavusa abantu, lafika irele, latâbatâ kubo umpêfumlo; lowo utâtyatwe ngobugwenxa bakê, ke igazi lakê ndolibiza esandleni somboniseli-lowo.

7 Wena-ke, nyana ka-Adam, ndikwenze umboniseli kwindlu ka-Sirayeli, woliva emlonyeni wam ilizwi, ubavuse ngokupûma kum.

8 Ndakutî kongendawo, Wena ungendawo, uya kufa inene, usuke ungatêtî wena ukuba umvuse ongendawo, emke endleleni yakê: wofa yena ongendawo ngobugwenxa bakê, ke igazi lakê ndolifuna esandleni sakô.

9 Wena-ke, xa utê wamvusa ongendawo endleleni yakê, ukuba abuye kuyo; akabuya endleleni yakê: wofa yena ngobugwenxa bakê, ke wena uwuhlangule umpêfumlo wakô.

10 Kekaloku wena nyana ka-Adam, yitî kwindlu ka-Sirayeli, Niyalungisa ukutî, Iziřeqo zetû nezono zetû zipêzu kwetû, siyangcungcutêka kuzo, singatî-nina ukupila?

11 Yitî kubo, Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, unakanye ukuba kube mnandi kum ukufa kongendawo; kumnandi kum ukubuya kongendawo endleleni yakê, apile. Buyani, buyani ezindleleni zenu ezimbî; yimina ukuba nide nife, ndlu ka-Sirayeli?

12 Wena-ke, nyana ka-Adam, yitî konyana babantu bakowenu, Ubulungisa belungisa abuyi kulihlangula ngemini yořeqo lwalo; ongendawo akayi kukûbeka ngokungendawo kwakê ngemini yokubuya kwakê kokungendawo kwakê; nelungisa aliyi kukupila ngabo ngemini yokôna kwalo.

13 Ndakutî kwilungisa, inene, lopila, lize-ke likôlose ngobulungisa balo, lenze ngobugqwetâ: bonke ubulungisa balo abuyi kukûnjulwa; lofa ngobugqwetâ balo elibenzileyo.

14 Ndakutî kongendawo, Inene, uya kufa; abuye ekôneni kwakê, enze ngokusesikweni nangobulungisa;

15 Ongendawo asibuyise isibambîso, uyimisele into ehlutiweyo, ahambê ngeminiselo yobomi, angenzi ngobugqwetâ: inene wopila, akayi kufa.

Digitized by Google

16 Zonke izono zake awŏna ngazo aziyi kukůnjulelwa kuye; wenze ngokusesikweni nangobulungisa; inene wopîla.

17 Batî-ke onyana bakowenu, Indlela ka-Yehova ayilungelelene; kanti ngabo abandlela ingalungeleleneyo.

18 Lakubuya ilungisa ebulungiseni balo, lenze ngobugqwetâ: lofa ngabo.

19 Akubuya ongendawo kokungendawo kwakê, enze ngokusesikweni nangobulungisa: inene, wopîla ngenxa yoko.

20 Nitî-ke, Indlela ye-Nkosi ayilungelelene. Elowo ngokwendlela zake ndiya kumgweba, ndlu ka-Sirayeli.

21 Kekaloku kwatî ngomnyaka weshumi elinesibini emva kokutînjwa kwetů, ngenyanga yeshumi, ngolwesihlanu enyangeni leyo, kwafika kum osindileyo e-Yerusalem, wati, Umzi ubulewe.

22 Isandla sika-Yehova saba pêzu kwam ngokuhlwa ngapâmbîli kokufika kosindileyo, wawuvula-ke umlomo wam, wada wafika kum kusasa; wavuleka umlomo wam, aindabi saba sidenge.

23 Kwafika ilizwe lika-Yehova kum, lisitî,

24 Nyana ka-Adam, abahleli emanxuweni emhlabeni wakwa-Sirayeli batsho ukuti, U-Abraham waye mnye, walidla ilifa ilizwe, ke tina sibaninzi, silinikiwe ilizwe ukuba silidle ilifa.

25 Ngako oko yitî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Nidla into enegazi, niwapâkamisele amehlo enu ezigodweni zenu, nipâlaze igazi: nolidla ilifa-na-ke ilizwe?

26 Nimi ngeŕele lenu, nenza amasikizi, nitî elowo nimenze inqambî umfazi wowabo: nolidla ilifa-na-ke ilizwe?

27 Yitsho kubo ukutî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ndihleli-nje, abo basemanxuweni baya kuwa ngeŕele; lo usendle ndimnikele emaŕamncweni ukuba amdle, bafe ngendyikitya yokufa, abasezimbôniselweni nasemiqolombêni;

28 Ndilenze kube senkangala yakwankangala ilizwe, lipêle iqâyiya lamandla alo, zibe senkangala intaba zakwa-Sirayeli, kungacandi bani kuzo;

29 Bazi ukuba ndingu-Yehova, ndakulenza kube senkangala yakwankangala ilizwe ngenxa yamasikizi onke ababewenzile.

30 Wena-ke nyana ka-Adam, onyana babantu bakowenu bancokola ngawe ngasezindongeni naseminyangeni yezindlu, elowo etêtâ nomnye, elowo nomzalwane wakê, esitî, Kânize sive ukuba lilizwi eliyinina elipůma ku-Yehova;

31 Beze kuwe njengokuza kwabantu, bahlale pâmbî kwakô ngokwabantu bam, baweve amazwi akô, bangawenzi; kuba benza okukânukwa ngumlomo wabo; intliziyo yabo ilandela inzuzo yabo embî.

32 Yabona, kubo unjengovuma ingoma emnandi, ozwi liyolileyo, olungisayo ukubetâ uhadi, baweve amazwi akô, bangawenzi noko.

33 Kotî-ke kwakufika oko,—nanko kusiza,—bazi, ukuba um-profeti bekukô pâkatî kwabo.

34 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, profeta ngabalûsi bakwa-Sirayeli, profeta, utî kubo, ngabalûsi abo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yeha-ke abalûsi bakwa-Sirayeli, abaye bezalûsa ngokwabo! abalûsi babengafanele kwalûsa mhlambî yinina?

3 Amanqatâ niyawadla, uboya nizambâtîse ngabo, ezityetyisiweyo izimvu niyazixêla, umhlambî aniwalûsi.

4 Ezitŷafileyo anizomelezi, ezifayo anizipîlisi, ezapůkileyo anizibopî, ezizintsali anizibuyisi, ezidakileyo anizifuni, nizinyatêla ngamandla kalukůni;

5 Zalusali ngokungabi namalûsi, zaba kukudla kwamaŕamncwa onke asendle, zilusali.

6 Umhlambî wam wadungudela ezintabeni zonke nasezindulini zonke ezinde, walusali umhlambî wam ebusweni bonke belizwe; akubangakô namnye uwukâtâlelayo, akwabikô namnye uwufunayo.

7 Ngako oko balûsindini, liveni ilizwi lika-Yehova, litî,

8 Ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, inyaniso, ngenx' enokuba umhlambî wam ulixôba, umhlambî wam udliwa ngamaŕamncwa onke asendle, ngokungabi namalûsi; abalûsi bam bengawukâtâleli umhlambî wam, abalûsi bezalûsa ngokwabo, bengawalûsi umhlambî wam:

9 Ngako oko balûsindini, liveni ilizwi lika-Yehova, litî,

10 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, ndibacâsile abalûsi; ndiya kuwubiza umhlambî wam ezandleni zabo, ndibanqu-

Digitized by Google

mamise ekwalūseni umhlambi wam, bangabi sazalūsa ngokwabo abalūsi, ndiwuhlangule umhlambi wam emlonyeni wabo, ungabi saba kukudla kubo.

11 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Yabonani, mna ngokwam ndiya kuwukâtâlela umhlambi wam, ndiwuvelele.

12 Njengoko umalūsi awuvelelayo umhlambi wakè, ngemini yokubakô kwakè pâkati komhlambi wakè otiwe-qusa, ndiya kwenje njalo ukuwuvelela umhlambi wam; ndiwuhlangule ezindaweni zonke owaba lusali kuzo ngemini enamafu, enamafu amnyama;

13 Ndiwukûpê ezizweni, ndiwubutê emazweni, ndiwuse emhlabeni wawo, ndiwalūsele ezintabeni zakwa-Sirayeli, ezihlanjeni nasezindaweni zonke ezimiweyo zelizwe.

14 Ndiya kuwalūsela etyanini obulungiloyo, libe sentabeni ezinde zakwa-Sirayeli idlelo lawo; edlelweni elilungileyo, uya kubutâ kôna, udle utyani obutyebileyo ezintabeni zakwa-Sirayeli.

15 Mna ndiya kuwalūsa umhlambi wam, ndiwenze ubutê mna, itsho i-Nkosi u-Yehova.

16 Ezilahlekileyo ndiya kuzifuna, ndibuyise ezizintsali, ndibopê ezapûkileyo, ndizomeleze ezifayo; ke ezityebileyo ndizitshabalalise, nezomeleleyo ndizalūse ngokusesikweni.

17 Nina-ke mhlambi wam, itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Yabonani, ndiya kugweba pakati kwegusha negusha, napâkati kwenkunzi zegusha nenkunzi ze-bôkwe.

18 Yinto encinane-na kuni ukuti nibudle utyani obulungileyo, nize okuseleyo kotyani nikunyashe ngamanqina enu, nisele amanzi angcwengekileyo, niwagxobe aseleyo ngamanqina enu?

19 Umhlambi wam udla obunyashiweyo ngamanqina enu, usela agxojiweyo ngamanqina enu?

20 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova kuzo, ukuti, Yabonani, mna ndiya kugweba pâkati kwegusha ezityebileyo negusha ezinqinileyo;

21 Ngenx' enokuba nityâla ngehleza nangegxalaba, nizihlabe ngempondo zenu ezityafileyo zonke, nide nizenze zibe lusali zigqib'ilizwe:

22 Ndowusindisa umhlambi wam, ungabi saba lixôba, ndigwebe pâkati kwegusha negusha;

23 Ndimise pêzu kwawo umalūsi abe mnye, awalūse, isicaka sam u-Davide; yena uya kwalūsa, abe ngumalūsi wawo yena;

24 Mna Yehova ndibe ngu-Tixo wawo, isicaka sam u-Davide sibe sisikûlu pâkati kwawo; mna Yehova nditêtile;

25 Ndiwenzele umnqopiso woxolo, ndiwapêlise amafamncwa amabi elizweni, uhlale entlango ukôlosile, ulale emahlatini;

26 Ndiwenze wona kwa nendawo ezingenxa zonke endulini yam intsikelelo; ndihlise imvula ngexesha elililo; iya kuba yimvula yentsikelelo;

27 Umti wasendle unike isiqâmo sawo, ilizwe linike indyebo yalo, banqabe emhlabeni wabo; bazi ukuba ndingu-Yehova, ekuzapûleni kwam izi-keyi ze-dyokwe, ndibahlangule esandleni sabo babebakônzisa;

28 Bangabi saba lixôba lentlanga, angabadli amafamncwa elizwe, bahlale bekolosile, kungabikô ubetûsayo;

29 Ndibavelisele isityalo sokuba ludumo, bangabi sasuswa yindlala ezweni, bangabi satwala hlazo lentlanga;

30 Bazi ukuba mna Yehova Tixo wabo ndinabo, bangabantu bam bona, indlu ka-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova;

31 Nina-ke ningumhlambi wam, umhlambi wedlelo lam; nisisintu, ndingu-Tixo wenu, itsho i-Nkosi u-Yehova.

35 Kekaloku kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisiti,

2 Nyana ka-Adam, bêkisa ubuso bako entabeni yakwa-Sehire, uprofete ngayo,

3 Uti kuyo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Yabona, ndikuçâsile, ntaba yakwa-Sehiro, ndosolulela isandla sam pêzu kwakô, ndikwenze kube senkangala yakwankangala.

4 Imizi yakô ndiya kuyenza amanxuwa, ube senkangala; wazi ukuba ndingu-Yehova.

5 Ngenx' enokuba waba nobutshaba obungunapâkade, wabanikela esandleni sefele onyana baka-Sirayeli ngexesha lokusindeka kwabo, ngexesha lobugwenxa bokuphela;

6 Ngako oko ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, ndiya kukwenza igazi, lokusukela-ke igazi; ngokokuba ungalitiyanga igazi, lokusukela igazi;

Digitized by Google

7 Ndiyenze kube senkangala yakwankangala intaba yakwa-Sehire, ndinqumle kuyo odlulayo nobuyayo;

8 Ndizizalise intaba zakê ngababuleweyo bakê; ezindulini zakô nasemifuleni yakô nasezihlanjeni zakô zonke ababuleweyo ngerele bawe kuzo.

9 Ndiya kukwenza kube senkangala kuwe ngonapâkade, imizi yakô ingemiwa muntu; nazi ukuba ndingu-Yehova.

10 Ngenx' enokuba usitî, Intlanga-ezi zombîni namazwe-la omabini ngawam, sowahluta; ukanti u-Yehova ukôna;

11 Ngako oko, ndihleli-nje, itsho i-Nkosi u-Yehova, ndiya kwenza kuwe ngokomsindo wakô nangokobukŵele bakô, obenzileyo kubo ngentiyo yakô; ndizazise kubo, xenikweni nditê ndakugweba.

12 Uya kwazi ukuba mna Yehova ndikuvile konke ukugiba kwakô, owakutêtâyo ngentaba zakwa-Sirayeli, usitî, Kusenkangala kuzo, sizinikiwe ukuba zibe kukudla.

13 Nizikûlisele ngam ngemilomo yenu, nawafumbâ pêzu kwam amazwi enu; ndivile-ke mna.

14 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Wakuvuya umhlaba wonke, ndokwenza kube senkangala kuwe.

15 Njengoko walivuyelayo ilifa lendlu ka-Sirayeli ngenxa yokuba bekusenkangala kulo: ndiya kwenje njalo kuwe; kuya kuba senkangala kuwe, ntaba yakwa-Sehire nelakwa-Edom lonke lipêla; bazi ukuba ndingu-Yehova.

36 Wena-ke, nyana ka-Adam, profeta ngazo intaba zakwa-Sirayeli, utî, Zintaba zakwa-Sirayeli, liveni ilizwi lika-Yehova.

2 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba utshaba lusitî ngani, Tshotsho, imimango engunapâkade ibe lilifa letû!

3 Ngako oko profeta utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba, ewe ngenx' enokuba benenze kwasenkangala, baniginya ngenxa zonke, ukuze nibe lilifa lamasalela entlanga, naba semilonyeni yabanolwimi nasentlebendwaneni yabantu;

4 Ngako oko, nina zintaba zakwa-Sirayeli liveni ilizwi le-Nkosi u-Yehova, *litî*, Itsho i-Nkosi u-Yehova kwintaba nakwinduli, kwizihlambô nakwimifula, kwindawo ezibâfileyo ezingamanxuwa nakwimizi eshiyiweyo, eyaba lixôba nesigculelo samasalela entlanga ezingenxa zonke;

5 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Inyaniso, nditêtê ngomlilo wobukŵele bam ngawo amasalela entlanga nangama-Edom onke epêla, alenze ilifa lawo ilizwe lam, evuyile ngentliziyo yonke, ecukuceza ngompêfumlo, ukuze alilahle libe lixôba:

6 Ngako oko profeta ngomhlaba wakwa-Sirayeli, utî kwintaba nakwinduli, kwizihlambô nakwimifula, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, nditêtê ndinobukŵele, ndinobushushu, ngenx' enokuba nilitŵele ihlazo lentlanga.

7 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Mna ndisipâkamisile isandla sam; inyaniso, intlanga ezingenxa zonke kuni, zona ziya kutŵala ihlazo lazo.

8 Ke nina zintaba zakwa-Sirayeli, niya kuvelisa amasebe, iziqâmo zenu nizixakatêle abantu bam ama-Sirayeli; ngokuba sekukufupî ukuvela kwazo.

9 Ngokuba niyabona, ndingakuni, ndibuyele kuni, nilinywe nihlwayelwe;

10 Ndandisele abantu pêzu kwenu, yonke indlu ka-Sirayeli, yonke ipêla, imiwe imizi, akîwe amanxuwa;

11 Ndandisele abantu-ke nenkomo pêzu kwenu, bande, baqâme; ndinenze nimiwe ngokwangapâmbîli-ke, ndinenzele okulungileyo ngapêzu kokwasekuqaleni kwenu; nazi ukuba ndingu-Yehova;

12 Ndihambîse abantu pêzu kwenu, abantu bam ama-Sirayeli, bakuzuze ube lilifa labo, ungasabuye ubahlute abantwana.

13 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngenx' enokuba bati kuwe, Usidla-bantu, uluhlute abantwana uhlanga lwakô;

14 Ngako oko akuyi kubuye ube sidlabantu, ungabuye ulukûbekise uhlanga lwakô, itsho i-Nkosi u-Yehova;

15 Ndingabuye ndikuvise ihlazo lentlanga, ungabuye usitŵale isingcikivo sezizwe, ungabuye ulukûbekise uhlanga lwakô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

16 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

17 Nyana ka-Adam, xa indlu ka-Sirayeli yabihleli emhlabeni wayo, bawenza inqambî ngendlela zabo nangentlondi zabo; indlela zabo pâmbî kwam zaba njengobunqambî bomfazi onomzi.

18 Ndapâlaza ubushushu bam pêzu kwa-

Digitized by Google

bo ngenxa yegazi, ababelipâlaze ezweni-elo, nangenxa yokulenza inqambî kwabo ngezigodo zabo;

19 Ndabenza balusali ezintlangeni, bacîtâcîtŵa emazweni; ndabagweba ngokwendlela zabo nangokwentlondi zabo;

20 Bafika ezintlangeni-ezo, babesiya kuzo, balihlambêla igama lam elingcwele; ekubeni bekusitîwa ngabo, Ngabantu baka-Yehova aba, bapûme ezweni lakê.

21 Ndanofefe ngenxa yegama lam elingcwele, ebilihlambêle indlu ka-Sirayeli ezintlangeni, abaya kuzo.

22 Ngako oko yitî kwindlu ka-Sirayeli, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Andenzi ngenxa yenu, ndlu ka-Sirayeli, ndenza ngenxa yegama lam elingcwele, enilihlambêleyo ezintlangeni, ebeniye kuzo;

23 Ndilingcwalise igama lam elikûlu, elihlanjelweyo ezintlangeni, enilihlambêleyo pâkatî kwazo; ukuze zazi intlanga ukuba ndingu-Yehova, itsho i-Nkosi u-Yehova, ndakuzingcwalisa ngokwam kuni emehlweni azo;

24 Ndinitâbatâ-ke ezintlangeni, ndinibutê emazweni onke, ndinise emhlabeni wenu;

25 Ndinitshize ngamanzi amhlope, nihlambûluke; ndinihlambûlule kubunqambî benu bonke, nakwizigodo zenu zonke;

26 Ndininike intliziyo entsha, ndininike umoya omtsha ngapâkatî kwenu; ndiyisuse intliziyo elilitye enyameni yenu, ndininike intliziyo eyinyama;

27 Ndiwufake umoya wam ngapâkatî kwenu, ndinenze nihambê ngemimiselo yam, niwagcine amasiko am, niwenze;

28 Nihlale ezweni endalinika oyihlo; nibe ngabantu bam, mna ndibe ngu-Tixo wenu;

29 Ndinisindise ebunqambîni benu bonke, ndibize inqôlowa, ndiyandise, ndinganiziseli indlala;

30 Ndisandise isiqâmo somtî nokupûma emasimini, ukuze ningabuye namkeliswe isingcikivo sendlala ezintlangeni;

31 Nizikûmbûle-ke indlela zenu ezimbî neutlondi zenu ezingalungileyo, niziŕuqukele ngokwenu ngenxa yobugwenxa benu nangenxa yamasikizi enu.

32 Andiyi kukwenza oku ngenxa yenu, itsho i-Nkosi u-Yehova, makwazeke oko kuni; danani, nibe nehlazo ngenxa yendlela zenu, ndlu ka-Sirayeli.

33 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngemini endiya kunihlambûlula ebugwenxeni benu bonke, ndiya kuyenza imizi ukuba imiwe, akîwe amanxuwa;

34 Ilizwe ebekusenkangala kulo lilinywe, endaweni yokuba bekusenkangala kulo emehlweni abo bonke abadlulayo.

35 Baya kutî, Elilizwe bekusenkangala kulo lisuke laba njengomyezo wase-Eden; nemizi ebibâfile ebingamanxuwa ebigungxulwe imiwe inqatyisiwe;

36 Zazi-ke intlanga eziseleyo ngenxa zonke kuni, ukuba mna Yehova ndakâ into egungxulweyo, ndiyityale indawo ebekusenkangala. Mna Yehova nditêtile, ndiya kwenza.

37 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngalento ndisaya kuquqelwa yindlu ka-Sirayeli, ukuba ndibenzele; ndiya kubandisa babe sisintu njengomhlambî,

38 Njengomhlambî ongamadini angcwele, njengomhlambî wase-Yerusalem ngamaxesha ayo amisiweyo; ukuzala yimihlambî yabantu iya kuba njalo imizi engamanxuwa; bazi ukuba ndingu-Yehova.

37 Saba pêzu kwam isandla sika-Yehova; wapûma nam u-Yehova, ndisemoyeni, wandibeka entilini pâkatî yona-ke izele ngamatâmbô,

2 Wandidlulisa kuwo, wandijikelezisa ngenxa zonke; yabona, ebe maninzi kakûlu entilini-leyo; yabona, ebomile kakûlu.

3 Watî-ke kum, Nyana ka-Adam, aya kupîla na-ke lamatâmbô? Ndatî, Nkosi Yehova, kwazi wena.

4 Watî kum, Profeta ngalamatâmbô, utî kuwo, Matâmbôndini, liveni ilizwi lika-Yehova.

5 Itsho i-Nkosi u-Yehova kulamatâmbô, ukutî, Niyabona, ndingenisa umoya kuni, niya kupîla-ke;

6 Ndinifake imisipâ, ndimilise kuni inyama, ndinaleke ngolusû, ndifake umoya ngapâkatî kwenu, nipîle; nazi ukuba ndingu-Yehova.

7 Ndaprofeta ngoko bendiwiselwe umtêtô ngako; kwabakô isandi ndakuprofeta; nanko kufashaza, asondelelana amatâmbô, itâmbô *lasondela* kwitâmbô lalo.

8 Ndakângela, nanko kukô imisipâ ku-

Digitized by Google

wo, yamila inyama, kwaleka ulusú lutâbatêla pêzulu; umoya-ke akwabikô.

9 Watî kum, Profeta kuwo umoya, profeta, nyana ka-Adam, utî kuwo umoya, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Vela, moya kwimimoya yomine, upêfumlele kwaba babuleweyo, bapîle.

10 Ndaprofeta-ke ngoko bendiwiselwe umtêtô ngako; wangena umoya kuwo; bapîla, bema ngenyawo, umkôsi omkûlu kakûlu kunene.

11 Watî kum, Nyana ka-Adam, lamatâmbô yindlu ka-Sirayeli yonke; yabona, batî, Amatâmbô etû omile, netêmbâ letû lidakile, sinqanyulwe.

12 Ngako oko profeta, utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, ndiya kuwavula amancŵaba enu, ndininyuse nipûme emancŵabeni enu, bantu bam, ndinise emhlabeni wakwa-Sirayeli;

13 Nazi ukuba ndingu-Yehova, ekuwavuleni kwam amancŵaba enu, nasekuninyuseni kwam nipûme emancŵabeni enu, bantu bam;

14 Ndifake umoya wam kuni, nipîle, ndinibeke emhlabeni wenu; nazi ukuba mna Yehova nditêtile, ndiya kwenza, utsho u-Yehova.

15 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

16 Wena-ke nyana ka-Adam, tâbatêla kuwe intonga ibe nye, ubâle kuyo utî, Eka-Yuda neyonyana baka-Sirayeli amadlelane akê; utâbatê enye intonga, ubâle kuyo utî, Eka-Yosefu (intonga ka-Efrayim) nendlu yonke ka-Sirayeli amadlelane akê;

17 Uyisondeze-ke, enye kwenye, ibe ntonga nye, ibe nto nye esandleni sakô.

18 Bôtî, bakutêtâ nawe onyana babantu bakowenu, besitî, Akusixeleli-na, ziyintonina ezintonga kuwe?

19 Wotî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, ndiya kuyitâbatâ intonga ka-Yosefu, esesandleni sika-Efrayim, nezizwe zika-Sirayeli amadlelane akê; endiwabeke kuyo ndawo-nye nentonga ka-Yuda, ndibenze babe ntonga nye, babe nto nye esandleni sam.

20 Intonga obâle kuzo zize zibe sesandleni sakô emehlweni abo;

21 Utî kubo, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabonani, ndiya kubatâbatâ onyana baka-Sirayeli pâkatî kwentlanga, abahambâ kuzo, ndibabutê bavele ngenxa zonke, ndibase emhlabeni wabo;

22 Ndibenze babe luhlanga lunye elizweni-elo, ezintabeni zakwa-Sirayeli, abe mnye ukumkani engukumkani wabo bonke bepêla; bangabuye babe zintlanga ezimbîni, bangabuye bahluke babe zikumkani ezibîni;

23 Bangabuye bazenze inqambî ngezigodo zabo, nangezinto zabo ezinezotê, nangezifeqo zabo zonke; ke ndobasindisa emakâya abo onke, ababône kuwo, ndibahlambûlule, babe ngabantu bam, ndibe ngu-Tîxo wabo;

24 Isicaka sam u-Davide sibe ngukumkani kubo, sibe ngumalûsi omnye kubo bonke bepêla; bahambê ngamasiko am, bagcine imimiselo yam, bayenze;

25 Bahlale ezweni-elo, ndalinika isicaka sam u-Yakobi, ababehleli kulo oyise, bahlale-ke kôna bona nabantwana babantwana babo kude kuse epâkadeni; u-Davide isicaka sam abe sikûlu sabo ngonapâkade;

26 Ndibenzele umnqopîso woxolo; uya kuba ngumnqopîso ongunapâkade kubo; ndibamise, ndibandise, ndibeke ingcwele yam pakatî kwabo ngonapakade;

27 Umnquba wam ube pêzu kwabo; ndibe ngu-Tîxo wabo, babe ngabantu bam;

28 Zazi intlanga ukuba ndingu-Yehova ongcwalise ama-Sirayeli, xa ingcwele yam iya kubakô pâkatî kwabo ngonapâkade.

38 Kekaloku kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,

2 Nyana ka-Adam, bubêkise ubuso bakô ku-Gogi wasezweni lakwa-Magogi, isikûlu sakwa-Roshe no-Mesheki no-Tubali, uprofete ngaye,

3 Utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndikucâsile, Gogi, sikûlu sakwa-Roshe no-Mesheki no-Tubali;

4 Ndikupâmbânise, ndikufake amakônco emihlatîni, ndikufole nempî yakô yonke, amahashe nabamahashe, abaxôbo bapêlelisela bonke bepêla, ibandla elikûlu, benamakâka nengweletshetshe, bepêtê amafele bonke bepêla;

5 Benama-Persi nama-Kushi nama-Puti, onke epêla enengweletshetshe nezigcina-ntloko;

6 U-Gomere namahlelo akê onke, nendlu ka-Togarma ezingontsini zase-Ntla,

Digitized by Google

inamahlelo ake onke; izizwe ezininzi zinawe.

7 Lunga, uzilungisele into zonke, wena nebandla lakô lonke, elibizelwe ndawonye kuwe, ube ngumgcini walo.

8 Emva kwemihla emininzi uya kuvelelwa; ekupêleni kweminyaka-leyo uya kufika ezweni elibuyiswe eŕeleni, libutŵe ezizweni ezininzi, ufike ezintabeni zakwa-Sirayeli ezahlala zibâfile; lona likûtshwe ezizweni, baza bahlala bekôlosile bonke bepêla.

9 Uya kunyuka uze njengesipângo, njengelifu ukulisibekela ilizwe, wena namahlelo akô onke, nezizwe ezininzi ezinawe.

10 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Ngalomini, kuya kutî-qatâ izinto entliziyweni yakô, ucinge ingcinga embî;

11 Utî, Ndiya kunyuka ndiye ezweni lamapândle; ndiya kubafikela abazolileyo, abahleli bekôlosile bonke bepêla, abahleli benge nazindonga, benge namivalo nazingcango;

12 Ukuba utîmbê, uhlasele amaxôba, usibuyisele isandla sakô kumanxuwa amiweyo, nakubantu abahlanganisiweyo ezintlangeni, bezuze imfuyo nempahla, abahleli esazulwini somhlaba.

13 O-Sheba no-Dedan nabafwebi base-Tarshishe nengonyama ezintsha zabo zonke baya kutî kuwe, Uze kutîmbâ na? ukuba uhlasele amaxôba-na kwibandla lakô olibizele ndawo-nye? ukuba limke ne-golide ne-silvere, litâbatê imfuyo nempahla, litîmbê kakûlu-na?

14 Ngako oko profeta, nyana ka-Adam, utî ku-Gogi, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Akuyi kuba njalo-na, ngalomini, ekuhlaleni kwabantu bam ama-Sirayeli bekôlosile, uya kuyazi lonto?

15 Upûme endaweni yakô, ezingontsini zase-Ntla, wena nezizwe ezininzi ezinawe, bekŵele emahasheni bonke bepêla, ibandla elikûlu, impi eninzi;

16 Unyuke ubafikele abantu bam ama-Sirayeli njengelifu, ukuba ulisibekele ilizwe. Ekupêleni kweminyaka kuya kubakô oko, ndikuse ulifikele ilizwe lam, ukuze intlanga zindazi, ekuzingcwaliseni kwam kuwe emehlweni azo, Gogi.

17 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Nguwena lowa, ndanditêtâ yena ngemini zamandulo ngomkomo wezicaka zam, abaprofeti bakwa-Sirayeli, ababaprofeta iminyaka kwezomini ngelitî, ndokuzisa pêzu kwabo?

18 Kutî ngalomini, ngemini yokuwufikela kuka-Gogi umhlaba wakwa-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova, bunyuke ubushushu bam ematâtêni am;

19 Ke nditêtê, ndinobukŵele, ndinomlilo wokupûpûma komsindo wam, Inyaniso, ngalomini kuya kubakô ukunyikima okukûlu emhlabeni wakwa-Sirayeli,

20 Zinyikime pâmbî kwam intlanzi zolwandle nentaka zezulu, namafamncwa asendle, nezinambûzane zonke ezinambûzelayo emhlabeni, nabantu bonke abasebusweni bomhlaba, zigungxulwe intaba, iwe imixawuka, zonke indonga ziwe emhlabeni;

21 Ndimbizele ireleezintabeni zam zonke, itsho i-Nkosi u-Yehova; ireleloomntu liya kuma kumzalwana wakê;

22 Ndimgwebe ngendyikitya yokufa nangegazi; nangesipângo esikûkulayo, nangamatye esicôto, umlilo ne-sulfure ndiwunise pêzu kwakê, napêzu kwamahlelo akê, napêzu kwezizwe ezininzi ezinaye;

23 Ndizikûlise, ndizingcwalise, ndizazise ngokwam emehlweni entlanga ezininzi: zazi ukuba ndingu-Yehova.

39 Wena-ke nyana ka-Adam, profeta ngo-Gogi, utî, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yabona, ndikucâsile, Gogi, sikûlu sakwa-Roshe no-Mesheki no-Tubali,

2 Ndikupâmbânise, ndikufole, ndikunyuse upûme ezingontsini zase-Ntla, ndikuse ezintabeni zakwa-Sirayeli,

3 Ndisiti-qŵiti isapêta sakô esandleni sakô sokôhlo, ndiziwise intolo zakô esandleni sakô sokunene.

4 Uya kuwa ezintabeni zakwa-Sirayeli, wena namahlelo akô onke, nezizwe ezinawe; ndiya kukunikela ezintakeni eziswilayo zentlobo ngentlobo, nasemafamncweni asendle, ukuba ube kukudla.

5 Uya kuwa ebusweni belizwe; ngokuba nditêtîle, itsho i-Nkosi u-Yehova;

6 Nditûmele umlilo kwa-Magogi, nakubemi beziqiti abakôlosileyo; bazi ukuba ndingu-Yehova;

7 Ndilazise igama lam elingcwele pâkati kwabantu bam ama-Sirayeli, ndingabuyeŕe ndilincôlise igama lam elingcwele; zazi intlanga nkuba ndingu-Yehova, Oyingcwele kwa-Sirayeli.

Digitized by Google

8 Yabona, lento iyeza, iya kubakô, itsho i-Nkosi u-Yehova; yilomini, ndanditêtâ yona.

9 Ke baya kupûma abemi bemizi ya-kwa-Sirayeli, bapêmbê babase umlilo nge-zirweqe, nengweletshetshe namakâka, ngezapêta nangentolo, nangenduku na-ngezikâli, bapêmbê umlilo ngazo iminya-ka esixênxe,

10 Bangatêzi zinkuni endle, bangagau-li nasemahlatîni; ngokuba baya kuwupê-mbâ ngezirweqe umlilo; batîmbê kwabo babetîmjwe ngabo, bapânge babepângwe ngabo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

11 Kutî ngalomini, ndimnike u-Gogi i ndawo, apô liya kuba kôna incwaba lakê kwa-Sirayeli, umfula wabadluli ngase-mpumalanga elwandle; ubavalele abadlu-li; bamncwabele kôna u-Gogi nengxokolo yakê yonke; batî ngumfula wengxokolo ka-Gogi;

12 Indlu ka-Sirayeli ibe nenyanga ezisix-ênxe ibancwaba, ukuze balihlambûlule i-lizwe;

13 Bonke abantu belizwe-eli bancwabe, kube ludumo kubo mini ndizizukisayo, itsho i-Nkosi u-Yehova;

14 Babalule amadoda anomonde acanda-canda elizweni, nahambâ nalawo acanda-candayo, ancwabe abaseleyo ebusweni be-lizwe, ukuba alihlambûlule; ekupêleni kwenyanga ezisixênxe aya kuligocago-ca;

15 Bacande abacandacanda elizweni; ba-bone itâmbô lomntu, bamise umtêlekelelo ecaleni kwalo, bade abancwabi abo bali-ncwabe emfuleni wengxokolo ka-Gogi;

16 Negama lomzi okôna libe ngu-Ngxo-kolo; balihlambûlule-ke ilizwe.

17 Wena-ke nyana ka-Adam, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yitî kwintaka ze-ntlobo ngentlobo, nakumafamncwa onke asendle, Butânani nize; zihlanganiseni ngenxa zonke embingelelweni wam endi-mbingeleleyo, umbingelelo omkûlu ezinta-beni zakwa-Sirayeli, nidle inyama, nisele igazi.

18 Niya kudla inyama yamagofa, nisele igazi lezikûlu zomhlaba, inkunzi zegusha, namatâkane, nenkunzi ze-bôkwe, nenku-nzi zenkomo ezintsha ezityetyisiweyo za-se-Bashan zonke zipêla;

19 Nidle amanqatâ nihlute, nisele igazi ninxile embingelelweni wam endinibinge-leleyo;

20 Nihlute esitêbeni sam ngamahashe nangabamahashe, ngamagofa namadoda onke okulwa, itsho i-Nkosi u-Yehova.

21 Ndibumise ubuqaqauli bam ezintla-ngeni, ziwubone intlanga zonke umgwebo wam endiya kuwenza; nesandla sam e-ndiya kusisa kuzo;

22 Yazi indlu ka-Sirayeli ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wabo, itâbatêla kuyo le-mini ise napî;

23 Zazi intlanga ukuba indlu ka-Sira-yeli yatînjwa ngenxa yobugwenxa babo; ngenx' enokuba bamenezayo kum, ndabu-sitêlisa ubuso bam kubo, ndabanikela esa-ndleni sababandezeli babo, bawa ngeêele bonke bepêla.

24 Ndabenza ngokobunqambî babo na-ngokwezirêqo zabo, ndabusitêlisa ubuso bam kubo.

25 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova u-kutî, Kaloku ndiya kukubuyisa ukutînjwa kuka-Yakobi, ndisikwe yimfesane ngenxa yendlu yonke ka-Sirayeli, ndibe nobukwe-le ngegama lam elingcwele;

26 Batwale ihlazo labo, nobumenemene babo bonke ababemeneza ngabo kum, ekuhlaleni kwabo emhlabeni wabo bekô-losile, kungekô ubetûsayo;

27 Ekubabuyiseni kwam ezizweni, eku-babutêni kwam emazweni entshaba zabo, ndozingcwalisa kubo emehlweni entlanga ezininzi;

28 Bazi ukuba ndingu-Yehova u-Tîxo wa-bo, owenza ukuba batînjelwe ezintlange-ni, ndize ndibawomelisele emhlabeni wabo, ndingabuye ndishiye namnye kubo kôna;

29 Ndingabi sabusitêlisa ubuso bam ku-bo; ngokokuba ndiwutûlule umoya wam pêzu kwendlu ka-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova.

40 Ngomnyaka wamashumi omabini anamihlanu wokutînjwa kwetû, e-kuqalekeni komnyaka, ngolweshumi enya-ngeni leyo, ngomnyaka weshumi elinesine emva kokuxatyelwa komzi, ngayo kanye lomini isandla sika-Yehova saba pêzu kwam, wandisa kôna.

2 Ngemibono ka-Tîxo wandisa ezweni lakwa-Sirayeli elo, wandibeka entabeni e-pâkamileyo kakûlu; pêzu kwayo kwanga sisakîwo somzi ngase-Zantsi.

Digitized by Google

3 Wandisa kôna, nanko, umntu okubonakala kunjengokubonakala kobêdu, epêtè intsontelo[1] ye-filakisi ngesandla, nengcongolo[2] yokulinganisa; waye-ke emi esangweni.

4 Watêtâ nam lomntu, watî, Nyana ka-Adam, kângela ngamehlo akô, uve ngendlebe zakô, ugqale ngentliziyo yakô zonke izinto endikubonisa zona; ngokuba uziswe apâ, ukuze uboniswe. Xelela indlu ka-Sirayeli konke okubonayo.

5 Nanko-ke kukô udonga ngapândle kwendlu olujikelezileyo ngenxa zonke, isesandleni somntu lowo ingcongolo yokulinganisa, izi-kubite ezintandatû, iyileyo iyi-kubite enobubanzi besandla; wabulinganisa ububanzi besakîwo: bayingcongolo enye, ukupâkama kwayingcongolo enye.

6 Waya esangweni elibêke empumalanga, wenyuka ngezinyuko zalo, walinganisa omnye umbundu wesango, wayingcongolo enye ububanzi, omnye umbundu-ke wokuqala wayingcongolo enye ububanzi;

7 Ne-kambîli yokulinda yayingcongolo enye ubude, yayingcongolo enye ububanzi; pâkatî kwe-kambîli zokulinda zazikubite ezintlanu; umbundu wesango, ongase-varandeni yesango enganeno kwayo indlu, wayingcongolo enye.

8 Walinganisa i-varanda yesango leyo inganeno kwayo indlu, yayingcongolo enye.

9 Walinganisa i-varanda yesango-ke, yazi-kubite ezisibôzo, intsika zayo zazikubite ezimbîni; ke i-varanda yesango yayi nganeno kwayo indlu.

10 Ke i-kambîli zokulinda zesango elisingise empumalanga, zaba ntatû ngapâ, zaba ntatu nangapâ, zamlinganiso mnye zontatû, zamlinganiso mnye intsika ngapâ nangapâ.

11 Walinganisa ububanzi bokungena kwesango, bazi-kubite ezilishumi; ubude besango ngalinye bazi-kubite ezilishumi elinazitâtû.

12 Ke umda pâmbî kwe-kambili zokulinda wawuyi-kubite enye ngapâ, wayi-kubite enye nangapâ umda; i-kambîli zokulinda zazi-kubite ezintandatû ngapâ, zazikubite ezintandatû nangapâ.

13 Walinganisa isango, etâbatêla elupâhleni lwe-kambîli zokulinda, esa elupâhleni lwezinye: laba zi-kubite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi; umnyango ulunge nomnyango.

14 Intsika wazenza zangamashumi omatândatû e-kubite; yeza kuma ngentsika intendelezo ejikelezileyo ngenxa zonke esangweni.

15 Ke ukutâbatêla pâmbî kwesango lokungena, kuse pâmbî kwe-varanda yesango elipâkatî: zazizi-kubite ezimashumi mahlanu.

16 Bekukô i-festile ezivaliweyo ezi-kambîlini zokulinda, nasezintsikeni zazo ngecala elipâkatî esangweni, zijikelezile ngenxa zonke; bekukwanjalo nasezinqâmekweni. Bekukô i-festile ngâpakatî, zijikelezile ngenxa zonke; bekukô namasundu ezintsikeni.

17 Wandisa entendelezweni epândle; nanko kwenziwe amagumbî nombekelelo wamatye, kwajikeleza ngenxa zonke entendelezweni; yayingamagumbî angamashumi matâtû embekelelweni wamatye.

18 Umbekelelo wamatye ubusemacaleni amasango, ulungelelene nobude bamasango; umbekelelo-lowo upântsi.

19 Walinganisa ububanzi, etâbatêla pâmbî kwesango, lentendelezo epântsi, esa pâmbî kwelentendelezo epâkatî nganeno kwalo: zalikûlu le-kubite ngasempumalanga nangase-Ntla.

20 Isango elibêke e-Ntla ngasentendelezweni epândle, wabulinganisa ubude balo nobubanzi balo;

21 Ne-kambîli zokulinda ezintatû ngapâ, ezintatû nangapâ, nentsika zalo nenqâmeko zalo. Laba ngangomlinganiso wesango lokuqala: bazi-kubite ezimashumi mahlanu ubude balo, nobubanzi balo bazikubite ezimashumi mabini anantlanu.

22 I-festile zalo nenqâmeko zalo namasundu alo zaba ngangomlinganiso wesango elibêke empumalanga; benyuka ngezinyuko ezisixênxe ukuya kulo; nenqâmeko zalo zaba pâmbî kwazo.

23 Amasango entendelezo epâkatî alunga nesango langase-Ntla nelangasempumalanga; walinganisa, watâbatêla esangweni, wesa esangweni: zalikûlu lekubite.

24 Wandihambîsa wandisingisa e-Zantsi, nali isango lisingise e-Zantsi; walinganisa

[1] Intsontelo izinyawo ezilikûlu linashumi mane.
[2] Ingcongolo izinyawo ezilishumi elinanye.

Digitized by Google

intsika zalo nenqâmeko zalo kwa ngokwalomilinganiso.

25 Bekukô i-festile kulo nakwinqâmeko zalo, zijikelezile ngenxa zonke njengeziya zi-festile: zazizi-kubite ezimashumi mahlanu ubude, bazi-kubite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

26 Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisixênxe, nezinqâmeko zalo zazipâmbî kwazo, belinamasundu elinye lingapâ, elinye lingapâ ezintsikeni zalo.

27 Bekukô isango elisa entendelezweni epâkatî, elisingise e-Zantsi; walinganisa etâbatêla esangweni-elo, esa esangweni elisingise e-Zantsi: zazizi-kubite ezilikûlu.

28 Wandisa entendelezweni epâkatî ngesango lase-Zantsi, walilinganisa isango lase-Zantsi kwa ngokwalomilinganiso;

29 Ne-kambîli zalo zokulinda nentsika zalo nenqâmeko zalo kwa ngokwalomilinganiso. Bekukô i-festile kulo nakwinqâmeko zalo, zijikelezile ngenxa zonke: zazizi-kubite ezimashumi mahlanu ubude, zazizi-kubite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

30 Inqâmeko zajikeleza ngenxa zonke: zazizi-kubite ezimashumi mabini anantlanu ubude, zazizi-kubite ezintlanu ububanzi.

31 Inqâmeko zalo zabêka entendelezweni epândle; bezinamasundu intsika zalo. Ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibôzo.

32 Wandisa entendelezweni epâkatî, esingise empumalanga, walilinganisa isango kwa ngokwalomilinganiso;

33 Ne-kambîli zalo zokulinda, nentsika zalo, nenqâmeko zalo kwa ngokwalomilinganiso. Bekukô i-festile kulo, nakwinqâmeko zalo, zijikelezile ngenxa zonke: zazizi-kubite ezimashumi mahlanu ubude, zazizi-kubîte ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

34 Inqâmeko zalo zabêka entendelezweni epândle, bezinamasundu intsika ngapâ nangapâ; ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibôzo.

35 Wandisa esangweni lase-Ntla walilinganisa kwa ngokwalomilinganiso;

36 Ne-kambîli zalo zokulinda, nentsika zalo nenqâmeko zalo. Bekukô i-festile kulo, zijikelezile ngenxa zonke: zazizi-kubite ezimashumi mahlanu ubude, zazizi-kubite ezimashumi mabini anantlanu ububanzi.

37 Intsika zalo zakângela entendelezweni epândle; zinamasundu intsika zalo ngapâ nangapâ; ukunyuka ukuya kulo kwaba nezinyuko ezisibôzo.

38 Igumbî nomnyango walo lalingasezintsikeni zamasango; bebewahlambâ kôna amadini anyukayo.

39 E-varandeni yesango bekukô i-tafile ezimbîni ngapâ, i-tafile ezimbîni nangapâ zokuxêlela amadini anyukayo nawesono nawetyala.

40 Ecaleni elingapândle, konyukayo esiya ekungeneni kwesango ngase-Ntla, bekukô i-tafile ezimbîni, nakwelinye icala ngase-varandeni yesango bekukô i-tafile ezimbîni.

41 Kwakô i-tafile ezine ngapâ, itafile ezine nangapâ ecaleni lesango: zi-tafile ezisibôzo zokuxêlela kuzo.

42 Kananjalo bekukô ne-tafile ezine ngasezinyukeni, zamatye aqingqiweyo, ayi-kubite enye enesiqinqatâ ubude, i-kubite enye enesiqingatâ ububanzi, i-kubite enye ukupâkama, ukuze babeke kuzo impahla zokuxêla amadini anyukayo nemibingelelo.

43 Amabâxa angangobubanzi besandla abeqiniselwe endlwini, ajikeleza ngenxa zonke; yayisezi-tafileni inyama yomsondezo.

44 Ngapândle kwesango elipâkatî bekukô amagumbî amabini entendelezweni epâkatî; elinye lingasecaleni lesango lase-Ntla, libêke e-Zantsi, elinye lingasecaleni lesango lase-Zantsi, libêke e-Ntla.

45 Watî kum, Eligumbî, libêke e-Zantsi, lelabenzeleleli abagcina isigxina sendlule.

46 Igumbi, elibêke e-Ntla, lelabenzeleleli abagcina isigxina sesibingelelo. Bona bangonyana baka-Tsadoki, konyana baka-Levi, abasondelayo ku-Yehova ukuba balungiselele kuye.

47 Wayilinganisa intendelezo: zazizikubite ezilikûlu ubude, zazizi-kubite ezilikûlu nobubanzi, imbômbô-ne; isibingelelo-ke besipâmbî kwayo indlu.

48 Wandisa e-varandeni yayo indlu, walinganisa intsika ye-varanda: i-kubite zontlanu ngapâ, i-kubite zontlanu ngapâ; ukubanzi besango bazi-kubite ezintatû ngapâ, i-kubite ezintatû nangapâ.

49 Ubude be-varanda baba zi-kubite ezi-

Digitized by Google

mashumi mabini, ububanzi baba zi-kubite ezilishumi elinanye, ngasezinyukweni ebekunyukwa ngazo kuyiwe kuyo. Bekukô intsika ngasezintsikeni *zomnyango:* enye ngapâ, enye nangapâ.

41 Wandisa e-tempileni, walinganisa intsika: zazizi-kubite ezintandatû ububanzi ngapâ, zazizi-kubite ezintandatû ububanzi nangapâ; bububanzi-ke bentente.

2 Ububanzi bomnyango bebuzi-kubite ezilishumi; amacala omnyango ezi-kubite ezintlanu ngapâ, i-kubite ezintlanu nangapâ. Wabulinganisa ubude bayo: bazi-kubite ezimashumi mane, ububanzi bazi-kubite ezimashumi mabini.

3 Wangena-ke kwengapâkatî, walinganisa intsika yomnyango: yazi-kubite ezimbîni, nomnyango wazi-kubite ezintandatû *ukupâkama*, ububanzi bomnyango bazi-kubite ezisixênxe.

4 Wabulinganisa ubude bayo, bazi-kubite ezimashumi mabini, ububanzi bazi-kubite ezimashumi mabini, wabêkisa etempileni; watî kum. Yingewele kangewele le.

5 Walulinganisa udonga lwendlu: lwazi-kubite ezintandatû, ububanzi bendawo yokwayama bazi-kubite ezine, yajikeleza ngenxa zonke endlwini-leyo.

6 I-kambîli zendawo yokwayama zaba ntatû, i-kambîli pêzu kwe-kambîli, zazimashumi matâtû; zaya kufika eludongeni ebinalo indlu-le ngasezi-kambîlini zendawo yokwayama, eyajikeleza ngenxa zonke, ukuze zibe nokubambêka kôna, kodwa zingabambêki eludongeni lwayo indlu.

7 Kwaya kuba banzi, ukujikeleza okungona siya sinyuka isakîwo ngokwe-kambîli zendawo yokwayama; ngokuba oko kwayijikeleza indlu-le kwaya kusanda okukôna inyukayo, kuyijikeleza indlu-le ngenxa zonke; ngenxa yoko indlu-le yaya iba banzi okunyuka inyukayo; lwakwanjalo olungapântsi udidi ukunyuka ukuya kolungapêzulu ngokololungapâkatî.

8 Ndabona kwasendlwini-le indawo epâkamileyo, ejikelezileyo ngenxa zonke; iziseko ze-kambîli zendawo yokwayama zaziyingcongolo epêleleyo zi-kubite ezintandatû ukuya entlanganweni.

9 Ububanzi bodonga, ebinabo indawo yokwayama ngapândle, bebuzi-kubite ezintlanu; yakwanjalo indawo eshiyekileyo endlwini ene-kambîli zendawo yokwayama ekulendlu.

10 Pâkatî kwamagumbî ibibububanzi bekubite ezimashumi mabini obujikelezileyo, bayijikeleza indlu ngenxa zonke.

11 Iminyango yendawo yokwayama yayikângela endaweni eshiyekileyo; omnye umnyango ukângele nge-Ntla, omnye umnyango ukângele nge-Zantsi; ububanzi bendawo eshiyekileyo bebuzi-kubite ezintlanu, bajikeleza ngenxa zonke.

12 Isakîwo, ebesipâmbî kwendawo eqiwukileyo, sasizi-kubite ezimashumi asixênxe ububanzi baso ngecala elisingise entshonalanga; udonga lwesakîwo-eso lwaluzi-kubite ezintlanu ububanzi balo; lwajikeleza ngenxa zonke, nobude baso babuzi-kubite ezimashumi asitôba.

13 Wayilinganisa-ke indlu-leyo: yaba zi-kubite ezilikûlu ubude; indawo eqiwukileyo nesakîwo sayo nendonga zaso: zaba zi-kubite ezilikûlu ubude.

14 Ububanzi bobuso bayo indlu nobendawo eqiwukileyo ekângele empumalanga baba zi-kubite ezilikûlu.

15 Wabulinganisa-ke ubude besakîwo ebesipâmbî kwendawo eqiwukileyo ebesisingasemva kwayo, ne-galari zaso ngapâ nangapâ: i-kubite zalikûlu; nendawo engewele yangapâkatî, ne-varanda zentendelezo.

16 Imibundu leyo yeminyango, ne-festile ezo zivaliweyo, ne-galari-ezo zijikelezileyo *ezindidini* zazo zontatû, (malunga nemibundu yeminyango kukô amaceba emitî ejikelezile ngenxa zonke, nomhlaba ude wema nge-festile, i-festile-ke zigutyungelwe;)

17 Napêzu kweminyango, kwada kwasendlwini ngapâkatî nangapândle, naseludongeni lonke kwajikeleza ngenxa zonke, ngapâkatî nangapândle, kwaba yimilinganiso.

18 Kwakwenziwe i-kerubi namasundu; yalisundu pâkatî kwe-kerubi ne-kerubi: i-kerubi yanobuso obubini;

19 Yabubuso bomntu obubêke esundwini ngapâ, yabubuso bengonyama obubêke esundwini ngapâ. Kwakwenjiwe njalo endlwini yonke, kwajikeleza ngenxa zonke.

20 Zenziwa, zatâbatêla emhlabeni zesa

Digitized by Google

pêzu kweminyango, i-kerubi namasundu, eludongeni-ke lwe-tempile.

21 I-tempile, imigubasi yayo ibi mbômbô-ne; nobuso bengcwele, imbônakalo yabo yabonakala ikwanjalo.

22 Isibingelelo sasingumtî, i-kubite ntatû ukupâkama, buzi-kubite mbîni ubude baso, besinembômbô zaso nommiso waso, namacala aso engumtî. Watî kum, Le yi-tafile epâmbî ko-Yehova.

23 Bezimbîni ingcango ze-tempile nezengcwele.

24 Bezingambîni ingcango kwiminyango leyo, zizingcango ezijingayo zombîni, zimbîni komnye umnyango, zimbîni ingcango nakomnye.

25 Kwakwenziwe kuzo, kwingcango-ezo ze-tempile i-kerubi namasundu, kunjengoko bekwenziwe ngako ezindongeni, kwakukô isinyuko somtî pâmbî kwe-varanda ngapândle.

26 I-festile ezivaliweyo namasundu zazingapâ nangapâ emacaleni e-varanda nasezi-kambîlini zendawo yokwayama kuyo indlu, nezinyuko.

42 Wapûma nam, waya entendelezweni engapândle ngendlela esinga nge-Ntla, wandisa emagumbîni amalunga nendawo-le iqiwukileyo, amalunga nesakîwo-eso, akângele e-Ntla,

2 Pâmbî kwecala elibude buzi-kubite ezilikûlu, elimnyango ungase-Ntla, ububanzi buzi-kubite ezimashumi mahlanu;

3 Malunga ne-kubite ezimashumi mabini zentendelezo engapâkatî, malunga nombekelelo wamatye osentendelezweni engapândle; yayi-galari isinge e-galarini eludidini lwesitâtû;

4 Pâmbî kwamagumbi kukô indawo yokuhambâ, ububanzi bayo buzi-kubite ezilishumi; kukô indlela ezi-kubite zilikûlu, ebêka pâkatî; iminyango yazo-ke ibêka nge-Ntla.

5 Ke amagumbî apêzulu ebemafupî kunawapântsi, kunapâkatî esakîweni; ngokuba i-galari zawadlela.

6 Ngokuba ebe ndidi ntatû wona, enge nazintsika, njengokuba intendelezo zinentsika; ngenxa yoko kwafoxiswa kwalâ angapântsi kwanalâ apâkatî esikûndleni sawo.

7 Ke udonga olwalunga pândle lulungelelene namagumbî, lwasinga entendelezweni engapândle pâmbî kwamagumbî-la; ubude balo babuzi-kubite ezimashumi mahlanu.

8 Ngokuba ubude bamagumbî entendelezo engapândle babuzi-kubite ezimashumi mahlanu; kodwa-ke pâmbi kwe-tempile babuzi-kubite ezilikûlu.

9 Ngapântsi kwalamagumbi, ukungena bekuvelwa ngasempumalanga ekuyiweni kuwo, kuvelwa entendelezweni engapândle.

10 Ebubanzini bodonga lwentendelezo, kusingise empumalanga, pâmbî kwendawo eqiwukileyo napambî kwesakîwo, bekukô amagumbî;

11 Aye nendlela pâmbî kwawo, ebonakala enjengamagumbi asingise e-Ntla; ngobude bawo anjalo nangobubanzi bawo, anjalo nangokupûma kwawo konke, anjalo nangamasiko awo;

12 *Njengoko injalo iminyango yawo lawo*, injalo neminyango yamagumbî abekângele nge-Zantsi; kwakukô umnyango emantloko endlela, endlela emalunga nodonga olulungelelene *namagumbi-la*, endlela evêla ngasempumalanga ekuyiweni kuwo.

13 Watî kum, Amagumbî angase-Ntla namagumbî angase-Zantsi, apâmbî kwendawo eqiwukileyo, wona ngamagumbî angcwele, apô abenzeleleli, abasondelayo ku-Yehova, baya kudlela kôna ezona nto zingcwele; apô baya kuzibeka kôna ezona nto zingcwele, umnikelo wokudla, nedini lesono neletyala; ngokuba lendawo ingcwele.

14 Bakungena abenzeleleli, mabangapûmi engcweleni, baye entendelezweni engapândle, bozibeka apô ingubo zabo, abalungiselela benazo, ngokuba zingcwele; mabambâtê ngubo zimbî, basondele-ke kokwabantu.

15 Watî-ke akugqiba ukuyilinganisa indlu epâkatî, wapuma nam, wasingisa ngendlela yesango elibêke empumalanga, walinganisa kôna, wajikeleza ngenxa zonke.

16 Walinganisa icala lasempumalanga ngengcongolo yokulinganisa; yazingcongolo ezimakûlu mahlanu ngengcongolo yokulinganisa ngenxa zonke.

17 Walinganisa icala langase-Ntla; yazingcongolo ezimakûlu mahlanu ngengcongolo yokulinganisa ngenxa zonke.

18 Kwicala langase-Zantsi walinganisa

Digitized by Google

amakûlu amahlanu engcongolo ngengcongolo yokulinganisa;

19 Wajikela ecaleni langasentshonalanga, walinganisa amakûlu amahlanu engcongolo ngengcongolo yokulinganisa.

20 Ngamacala omane wayilinganisa. Inodonga olujikelezileyo ngenxa zonke: ubude bangamakûlu amahlanu, nobubanzi bangamakûlu amahlanu, ukuze kwahlulwe pâkatî kokungcwele nokuhlambêleyo.

43 Wandisa esangweni, esangweni elibêke endleleni yangasempumalanga.

2 Nabo-ke; ubuqaqauli bo-Tîxo ka-Sirayeli buvela ngendlela yangasempumalanga, isandi sabo sinjengesandi samanzi amaninzi, umhlaba wakânya bubuqaqauli bakê.

3 Imbônakalo-ke, endayibonayo ukubonakala kwayo, yayinjengembônakalo-leya, ndayibonayo ukuya kuwonakalisa kwam umzi; kwakukô nembônakalo ezinjengembônakalo, endazibonayo emlanjeni e-Kebare; ndawa-ke ngobuso,

4 Ubuqaqauli buka-Yehova beza endlwini ngendlela yesango elibêke empumalanga.

5 Umoya wandifukula, wandisa entendelezweni epâkatî; nabo-ke, ubuqaqauli buka-Yehova buyizalisile indlu-le.

6 Ndeva otétâ kum esendlwini-le; kwakô-ke umntu omi ecaleni kwam.

7 Watî kum, Nyana ka-Adam, kângela indawo ye-trone yam indawo yompântsi wenyawo zam, apô ndiya kuhlala kôna pâkatî konyana baka-Sirayeli ngonapâkade; ingabi salenza inqambî igama lam elingcwele indlu ka-Sirayeli, bona nokumkani babo ngobuhenyu babo, nangezidūmbū zokumkani babo ezigângeni zabo;

8 Ekumiseni kwabo umbundu womnyango wabo ngasembundwini womnyango wam, nemigubasi yabo ecaleni lemigubasi yam, iludonga lodwa pâkatî kwam nabo; belenze inqambî-ke igama lam elingcwele ngamasikizi abo abawenzayo; ndabagqibela-ke ngomsindo wam.

9 Ngoku-ke mabakwelelise kum ubuhenyu babo nezidūmbū zokumkani babo, ndihlale pâkatî kwabo ngonapâkade.

10 Wena-ke nyana ka-Adam, indlu ka-Sirayeli yixelele lendlu, beve ihlazo ngenxa yobugwenxa babo, basilinganise isakîwo esilinganiselweyo ngokuhle.

11 Ukuba batê baliva ihlazo ngenxa yento zonke abazenzileyo, bazise ukumeka kwendlu-le nokuqulunqwa kwayo, izipûmo zayo nezingeno zayo, imeko zayo zonke nemimiselo yayo yonke, imeko zayo zonke nemiyalelo yayo yonke, uyibâle emehlweni abo; bakugcine konke ukuma kwayo nemimiselo yayo yonke, bayenze.

12 Nguwo lo umyalelo wayo indlu: encotsheni yentaba, wonke umda wayo ojikelezileyo ngenxa zonke uyingcwele kangcwele. Yabona, nguwo lo umyalelo wayo indlu.

13 Yiyo le imilinganiso yesibingelelo ngokwe-kubite; i-kubite yi-kubite nobubanzi besandla: umzantsi waso woba yi-kubite ube yi-kubite ububanzi; ulunqû lwawo eludinini lwawo ngenxa zonke lwalungangomoluko omnye weminwe. Lulo olo ufundo lwesibingelelo-esi.

14 Kutâbatêla emzantsini osemhlabeni kude kuse emacaleni apântsi: koba zi-kubite ezimbîni ukupâkama, nobubanzi bube yi-kubite enye; kutâbatêla emacaleni lawo amafutshane, kude kuse emacaleni amade: koba zi-kubite ezine ukupâkama, nobubanzi bube yi-kubite enye.

15 Intaba ka-Tîxo yoba zi-kubite ezine; zotâbatêla eziko ka-Tîxo zinyuse impondo ezine.

16 Iziko lika-Tîxo loba zi-kubite ezilishumi elinambîni ubude balo, ishumi elinambîni ububanzi balo; loba mbômbô-ne ngokwamacala alo amane.

17 Amacala oba zi-kubite ezilishumi elinazine ubude bawo, neshumi elinane ububanzi ngokwamacala awo amane; nolunqû ngenxa zonke kuwo lube siqingatî se-kubite; umzantsi wawo ube yi-kubite enye ngenxa zonke; nezinyuko zawo zikângele empumalanga.

18 Watî kum, Nyana ka-Adam, itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yiyo le imimiselo yesibingelelo ngemini yokwenziwa kwaso, ukuba kunyuswe pezu kwaso amadini anyukayo, kutshizwe ngegazi kuso;

19 Ubanike abenzeleleli, aba-Lævi abangabembêwu ka-Tsadoki, abasondelayo kum, itsho i-Nkosi u-Yehova, ukuba bahungiselele kum inkunzi entsha, itôle lenkomo, libe lidini lesono;

Digitized by Google

20 Utâbatê egazini layo, uliqabe ezimpondweni zaso zone, nasezimbômbêni zone zamacala, naseludinini ngenxa zonke; usenze nyulu, usicamagushele;
21 Uyitâbatê inkunzi entsha yedini lesono, bayitshise endaweni emisiweyo yayo indlu ngapândle kwengcwele;
22 Ngomhla wesibini usondeze inkunzi ye-bôkwe exônti egqibeleleyo ibe lidini lesono; basenze nyulu isibingelelo, njengoko senziwa nyulu ngenkunzi entsha.
23 Ekugqibeni kwakô ukusenza nyulu, wosondeza inkunzi entsha, itôle lenkomo egqibeleleyo, nenkunzi egqibeleleyo yasempahleni emfutshane;
24 Uzisondeze pâmbî ko-Yehova, abenzeleleli bagalele ityuwa pêzu kwazo, bazinyuse zibe lidini elinyukayo ku-Yehova.
25 Intsuku ezisixênxe uya kunikela inkunzi yebôkwe exônti eyedini lesono ngemini; balungiselele nenkunzi entsha elitôle lenkomo, nenkunzi yasempahleni emfutshane egqibeleleyo.
26 Intsuku ezisixênxe bosicamagushela isibingelelo, basihlambûlule; basizalise isandla saso;
27 Bazigqibe ezontsuku, kutî ngomhla wesibôzo nanini, abenzeleleli benze amadini enu anyukayo nemibingelelo yenu yoxolo esibingelelweni, ndize ndinamkele, i-Nkosi u-Yehova.

44 Wandibuyisa ngendlela yesango lengcwele elingapândle, elibêke empumalanga, laye livaliwe.
2 U-Yehova watî kum, Elisango liya kuhlala livaliwe; aliyi kuvulwa, akuyi kungena mntu ngalo; ngokuba u-Yehova u-Tixo ka-Sirayeli ungene ngalo; liya kuhlala livaliwe-ke.
3 Isikûlu, sisisikûlu-nje siya kuhlala kulo, ukuba sidle ukudla pâmbî ko-Yehova; songena ngendlela yase-varandeni yesango, sipûme kwa ngendlela yayo.
4 Wandisa ngendlela yesango langase-Ntla ebipâmbî kwayo indlu; ndakângela, nabo, ubuqaqauli buka-Yehova buyizalisile indlu ka-Yehova, ndawa ngobuso.
5 Watî kum u-Yehova, Nyana ka-Adam, gqala ngentliziyo yakô, ubone ngamehlo akô, uve ngendlebe zakô konke endisukuba ndikutêtâ kuwe, ngokusingisele kwimimiselo yonke yendlu ka-Yehova, nangokusingisele kwimiyalelo yayo yonke; ukugqale ngentliziyo yakô ukungena endlwini-le, endaweni zonke zengcwele ekupûnywa ngazo;
6 Utî kwaba nenkani, kwabendlu ka-Sirayeli, Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Yanelani ngamasikizi enu onke, ndlu ka-Sirayeli,
7 Okubangenisa kwenu onyana bolunye uhlanga, abangalukileyo ngentliziyo, abangalukileyo ngenyama, ukuba babe sengcweleni yam, ukuba bayihlambêle indlu yam le, nakusondeza ukudla kwam, amanqatâ negazi, umnqopîso wam nawapûlake pêzu kwamasikizi enu onke;
8 Anasigcina isigxina sengcwele yam; nabamisa abaya ukuba banigcinele isigxina sam engcweleni yam.
9 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Bonke onyana bolunye uhlanga, abangalukileyo ngentliziyo, abangalukileyo ngenyama, abayi kungena engcweleni yam, bakubo bonke onyana bolunye uhlanga, abapâkatî konyana baka-Sirayeli;
10 Ke kwa naba-Levi, abakwêlelayo kude kum, ekundwendweni kwama-Sirayeli awandwendwayo kum, alandela izigodo zawo: aya kubutwâla ubugwenxa bawo;
11 Banele ukuba ngabalungiseleli engcweleni yam, bengabaveleli bamasango endlu le, belungiselela endlwini-le. Abo baya kuxêlela abantu idini elinyukayo nombingelelo, bona beme pâmbî kwabo, ukuba babalungiselele.
12 Ngenxa enokuba babalungiselelayo pâmbî kwezigodo zabo, baba sikûbekiso sobugwenxa kwindlu ka-Sirayeli: ngenxa yoko ndibapâkamisele isandla sam, itsho i-Nkosi u-Yehova, ukuba babutwâle ubugwenxa babo;
13 Bangafiki kum, ukuba benzelelele kum, bangafiki kwingcwele zam zonke, kwingcwele kangcwele yam; baya kutwâla-ke ihlazo labo namasikizi abo abawenzilevo;
14 Ndibenze abagcini besigxina sendlule ngokwenkonzo yayo yonke nangokwento zonke ezenzelwa kuyo.

15 Ke bona abenzeleleli aba-Levi, onyana baka-Tsadoki, abasigcinayo isigxina sengcwele yam, ekundwendweni konyana baka-Sirayeli kum, bosondela bona kum, ukuba bandilungiselele, beme pâmbî kwam, ukuba basondeze kum inqatâ negazi, itsho i-Nkosi u-Yehova.

Digitized by Google

16 Bongena bona engcweleni yam, basondele bona esitêbeni sam, ukuba bandilungiselele, bagcine isigxina sam.

17 Kotî, ekungeneni kwabo ngamasango entendelezo epâkatî, bambâtê ingubo zelinen; kungabikô nto yoboya kubo ekulungiseleleni kwabo emasangweni entendelezo epâkatî, naxa bakuyo indlu.

18 Zoba zinkontsho ze-linen ezintloko zabo, ibe zi-bulukwe ze-linen ezinqeni zabo; abayi kubînqa bazibilise;

19 Botî, ekupûmeni kwabo, besinga entendelezweni engapândle, entendelezweni engapândle besiya ebantwini, bazihlube ingubo zabo ababelungiselela benazo, bazibeke emagumbîni angcwele, bambâtê ngubo zimbî, bangabangcwalisi ubantu ngengubo zabo;

20 Bangazicêbi intloko, bangaziyeki inwele zabo zibe ngamayakayaka; bozinqûtûla intloko;

21 Bangaseli wayini bonke abenzeleleli ekungeneni kwabo entendelezweni epâkatî;

22 Umhlolokazi nomfazi owaliweyo bangabazeki babe ngabafazi babo; bozeka intombî ezizintombî kwimbéwu yendlu ka-Sirayeli, kwa nomhlolokazi otê waba ngumhlolokazi womenzeleleli;

23 Babayale abantu bam, ukuba bahlule okungcwele kokuhlambêleyo, babazise okuyinqambî nokuhlambûlukileyo;

24 Ekubambâneni *kwabantu* beme bona, bagwebe ngokwamasiko am, bagcine imiyalelo yam nemimiselo yam ngamaxesha am onke amisiweyo, bazingcwalise i-sabatâ zam;

25 Bangayi emntwini ofileyo, bazenze inqambî, kungaba kungoyise, nohina, nonyana, nentombî yabo, nomzalwana, nodade wabo ongabanga nandoda, abangazenza inqambî ngabo bona bodwa;

26 Bambalele imihla esixênxe emva kokuhlanjululwa kwakê;

27 Ngomhla-ke wokungena kwakê engcweleni, entendelezweni epâkatî, ukuze alungiselele engcweleni, wosondeza idini lakê lesono, itsho i-Nkosi u-Yehova.

28 Okd koba lilifa labo; ibe ndim ilifa labo; ningabaniki nzuzo kwa-Sirayeli; ndim inzuzo yabo.

29 Umnikelo wokudla, nedini lesono, nedini letyala, bodla ezonto bona; zonke izinto ezisingelwe pântsi kwa-Sirayeli zibe zezabo.

30 Ingqalo zentlahlela zonke entweni zonke, nemifumo yonke yento zonke, kwimifumo yenu yonke, yoba yeyabenzeleleli; nengqalo yomfayo wenu noyinika umenzeleleli, ukuze ahlise intsikelelo pézu kwendlu yakô.

31 Abenzeleleli abakudla nto izifeleyo neqwengiweyo, nokuba kusezintakeni, nokuba kusezinkomeni.

45 Ekulabeni kwenu ilizwe ngamaqashiso, ukuba libe lilifa, nomfumela u-Yehova umfumo oyinto engcwele kulo ilizwe-elo: ubude bube ngamashumi omabini anamahlanu amawaka *engcongolo*, ububanzi bube lishumi lamawaka. Woba ngcwele emdeni wawo wonke ngenxa zonke.

2 Kuwo apâ oba ngawasengcweleni amakûlu amahlanu obude, ngamakûlu amahlanu obubanzi, ube mbômbô-ne ngenxa zonke, ube zi-kubite ezimashumi mahlanu zepândle elingenxa zonke kuwo.

3 Kuyo londawo ilinganisiweyo ulinganise ubude obungamashumi omabini anamahlanu amawaka, nobubanzi obulishumi lamawaka; ibe kôna ingcwele-le, ingcwele kangcwele.

4 Yona yoba yinto engcwele kulo ilizwe elo; ilunge nabenzeleleli, abalungiseleli bengcwele, abasondela ukuba balungiselele ku-Yehova; ibe yindawo yezindlu zabo, indawo engcwele ilunge nengcwele.

5 Amashumi amabini anamahlanu amawaka obude, nelishumi lamawaka obubanzi alunge naba-Levi, abalungiseleli bendlu, oba yinzuzo yabo eyimizi yokuba bahlale;

6 Okomzi koba ngamawaka amahlanu obubanzi, anamashumi amabini anamahlanu amawaka obude, elungelelene nomfumo ongcwele; ibe ngawendlu yonke ka-Sirayeli.

7 Isikûlu nisinike ngapâ nangapâ komfumo ongcwele, nakokomzi pâmbî komfumo ongcwele, napâmbî kokomzi ngecala lasentshonalanga, nise entshonalanga, nangecala lasempumalanga, nise empumalanga; ubude bulungelelane nesinye isahlulo sezizwe, butâbatêle emdeni wasentshonalanga, buse emdeni wasempumalanga.

8 Loba lilizwe laso, libe yinzuzo kuso kwa-Sirayeli; izikûlu zam zingabuye zibe sabaxinzelela pântsi abantu bam, ke ili-

Digitized by Google

zwe zilinike indlu ka-Sirayeli ngokweziswe zayo.

9 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Yanelani, nina zikúlu zakwa-Sirayeli, yekani ukugonyamela nokubúqa, nenze okusesikweni nobulungisa, yekani ukubagxotá abantu bam *emafeni* abo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

10 Yibani ne-skali sobulungisa ne-efa yobulungisa ne-bate yobulungisa.

11 I-efa ne-bate yoba mlinganiso mnye, i-bate ikongozele isahlulo seshumi se-homere, ne-efa isahlulo seshumi se-homere, sibe ngokwe-homere isilinganiselo sayo;

12 I-shekele ibe ngamashumi amabini egera; amashumi amabini e-shekele, amashumi amabini anesihlanu e-shekele, ishumi elinesihlanu le-shekele ibe yi-mina kum.

13 Nguwo lo umfumo eniya kufuma ngawo: isahlulo sesitándatú se-efa e-homereni yenqólowa, nifume isahlulo sesitándatú se-efa e-homereni ye-fasi;

14 Nomlinganiso omisiweyo we-oli, webate ye-oli, nifume isahlulo seshumi sebate e-koreni, e-bateni ezilishumi e-homereni-ke; kuba i-bate ezilishumi ziyi-homere;

15 Nifume ixwáne libe linye empahleni emfutshane, engamakúlu amabini, yasemariweni anamanzi akwa-Sirayeli, ibe yeyomnikelo wokudla, neyedini elinyukayo, neyemibingelelo yoxolo, ukuba bacanyagushelwe, itsho i-Nkosi u-Yehova.

16 Bonke abantu belizwe-eli bofumela lomfumo isikúlu sakwa-Sirayeli.

17 Orólwa sisikúlu amadini anyukayo nomnikelo wokudla notúlulwayo emitêndelekweni, nasekutwaseni kwenyanga, nasezi-sabatêni, nasemaxesheni amisiweyo endlu ka-Sirayeli; lolungiselelwa siso idini lesono, nomnikelo wokudla, nedini elinyukayo, nemibingelelo yoxolo, ukuze ieanyagushelwe indlu ka-Sirayeli.

18 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Ngenyanga yokuqala, ngolokuqala enyangeni leyo, wotábatá inkunzi entsha, itóle lenkomo, egqibeleleyo, uyihlambúlule ingcwele ngedini lesono;

19 Umenzeleleli atábatê egaziti ledini lesono elo, aliqabe emigubasini yendlu le, nasezimbómbêni zone zamacala esibingelelo, nasemigubasini yesango lentendelezo epákati;

20 Wenje njalo nangolwesixênxe enyangeni-leyo, ngenxa yomntu olahlekayo, nangenxa yosiyatá, niyicamagushele indlu-le.

21 Ngeyokuqala inyanga, ngosuku lweshumi elinesine enyangeni-leyo, noba nepasika, umtêndeleko wentsuku ezisixênxe; kodliwa izonka ezinge nagwele.

22 Ngalomini isikúlu ngenxa yaso nangenxa yabantu bonke belizwe-eli solungiselela inkunzi entsha yenkomo ibe lidini lesono;

23 Intsuku ezisixênxe zomtêndeleko simenzele u-Yehova idini elinyukayo: inkunzi ezintsha zenkomo zibe zisixênxe, nenkunzi zegusha ezigqibeleleyo, zibe zisixênxe ngemini, ngentsuku zosixênxe, nenkunzi ye-bókwe exónti ibe lidini lesono ngemini;

24 Silungiselele umnikelo wokudla i-efa enkunzini entsha, i-efa enkunzini yegusha, i-hin ye-oli kuyo i-efa.

25 Ngenyanga yesixênxe, ngosuku lweshumi elinesihlanu enyangeni-leyo, emtêndelekweni, siya kwenje njalo ngentsuku ezisixênxe ngokusingisele kwidini lesono, nakwidini elinyukayo, nakumnikelo wokudla, nakwi-oli.

46 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Isango lentendelezo epákati, elikángele empumalanga, lohlala livaliwe ngentsuku ezintandatú zokusebenza; ngomhla we-sabatá livulwe, ngomhla wokutwasa kwenyanga livulwe;

2 Singene isikúlu ngendlela yase-varandeni yesango, sivela ngapándle, sime emigubasini yesango, abenzeleleli balungiselele idini laso elinyukayo, nemibingelelo yaso yoxolo, siqubude embundwini wesango; sipúme-ke; lingavalwa isango-elo kude kuhlwe;

3 Abantu belizwe-eli baqúbude ekungeneni kwesango nge-sabatá nasekutwaseni kwenyanga pámbi ko-Yehova.

4 Idini elinyukayo, esosondeza lona isikúlu ku-Yehova ngomhla we-sabatá, loba zimvana ezintandatú ezigqibeleleyo, nenkunzi yegusha egqibeleleyo;

5 Nomnikelo wokudla ube yi-efa enkunzini-leyo yegusha; ezimvaneni-ezo umnikelo wokudla ube ngumnikelo wesandla saso, i-hin ye-oli kuyo i-efa.

6 Ngosuku lokutwasa kwenyanga libe yinkunzi entsha egqibeleleyo, itóle lenko-

Digitized by Google

mo, nemvana ezintandatû, nenkunzi yegusha, zigqibelele zonke;

7 Silungiselele umnikelo wokudla i-efa kuyo inkunzi entsha yenkomo, ne-efa kuyo inkunzi yegusha, kuzo imvana ibe yinto esinokufikelela kuyo isandla saso, i-hin ye-oli kuyo i-efa.

8 Ekuzeni kwesikûlu songena ngendlela yase-varandeni yesango, sipûme kwangendlela yayo.

9 Ekuzeni-ke kwabantu belizwe-eli pânibî ko-Yehova ngamaxesha amisiweyo: ongene ngendlela yesango langase-Ntla, esiza kuqubuda, wopûma ngendlela yesango langase-Zantsi; ongene ngendlela yesango langase-Zantsi, wopûma ngendlela yesango langase-Ntla; akasokubuya ngendlela yesango angene ngalo; botîgca ukupûma.

10 Isikûlu songena sipâkatî kwabo ekungeneni kwabo; batî ekupûmeni kwabo sipûme kunye nabo.

11 Umnikelo wokudla ngemitêndeleko nangamaxesha amisiweyo woba yi-efa kuyo inkunzi entsha yenkomo, ne-efa kuyo inkunzi yegusha, utî ezimvaneni ulingane nesandla saso, i-hin ye-oli kuyo i-efa.

12 Xa sitê isikûlu samenzela u-Yehova idini elinyukayo ngokuqûtywa yintliziyo nokuba yimibingelelo yoxolo ngokuqûtywa yintliziyo: malivulwe isango elibêke empumalanga, silungisele idini laso elinyukayo, nemibingelelo yaso yoxolo, njengoko silungiselelayo ngomhla we-sabatâ; sipûme-ke; balivale isango emva kokupûma kwaso.

13 Boyilungiselela imvana emnyaka mnye egqibeleleyo ibe lidini elinyukayo ngemini ku-Yehova, balilungiselele imiso ngemiso yonke;

14 Balungiselele umnikelo wokudla kunye nalo imiso ngemiso yonke, ube sisahlulo sesitândatû se-efa, ne-oli ibe sisahlulo sesitâtû sehin yokunyakamisa umgubo onengiweyo; ube ngumnikelo wokudla ku-Yehova: leyo yoba yimimiselo engunapâkade emiyo;

15 Balungiselele imvana, nomnikelo wokudla, ne-oli, imiso ngemiso yonke, ibe lidini elinyukayo elimiyo.

16 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukuti, Xa sitê isikûlu sampâ omnye konyana baso isipô: soba lilifa lakê, sibe sesonyana bakê; yiazuzo yabo ngokwelifa.

17 Xa sitê sampâ omnye kubakônzi baso isipô elifeni laso: soba sesalowo kude kuse kunyaka wenkululeko, sibuyele kwisikûlu; ilifa laso loba lelonyana baso bodwa;

18 Isikûlu-eso singatâbatî elifeni labantu, ukuze sibaxinzelele pântsi, bahlukane nenzuzo yabo; sobadlisa onyana baso ilifa kweyeyaso inzuzo; ukuze bangabi lusali abantu bam, elowo ahlukane nenzuzo yakê.

19 Ekungeneni ngasecaleni lesango wandisa emagumbîni angcwele abenzeleleli, akângele nge-Ntla; nanko, kukô indawo kôna esipêlweni ngasentshonalanga;

20 Watî kum, Le yindawo apô abenzeleleli bopêkela kôna idini letyala nedini lesono, bosela kôna umnikelo wokudla, ukuze bangapûmi nawo, baye entendelezweni engapândle, ukuba bangcwalise abantu.

21 Wapûma waya nam entendelezweni engapândle, wandidlulisa emagumbîni omane entendelezo; nanko, kukô intendelezo emagumbîni onke entendelezo, iyintendelezo egumbîni lentendelezo.

22 Emagumbîni omane ayo intendelezo ibi zintendelezo ezivaliweyo: ubude buzi*kubite* ezimashumi mane, ububanzi buzi*kubite* ezimashumi matâtû; umlinganiso umnye kulomagumbî omane.

23 Bekukô ucambâ lwezakîwo olujikelezileyo kuzo, lujikelezile kuzo zozine; kukô amaziko okupêka enziwe ngapântsi kwengcambâ ngenxa zonke.

24 Watî kum, Ezi zizindlu zokupêka, apô abalungiseleli bayo indlu bapêkela kôna umbingelelo wabantu.

47 Wandibuyisela emnyango wayo indlu; nanko, kupûma amanzi ngapântsi kombundu womnyango wendlu-leyo, esinga ngasempumalanga; ngokuba ubuso bayo indlu bebungasempumalanga, aman'esihla amanzi, evela ngapântsi, ecaleni lokunene kwindlu leyo, ngase-Zantsi kwesibingelelo.

2 Wapûma nam ngendlela yesango langase-Ntla, wandijikelezisa ngendlela engapândle, wandisa esangweni elingapândle ngendlela yelibêke empumalanga: nango, amanzi equkuqela, evela ecaleni lokunene lesango.

3 Ekupûmeni komntu obepêtê ulutya lo-

Digitized by Google

kulinganisa ngesandla, esiya ngasempumalanga, walinganisa iwaka le-kubite, wandiweza emanzini, amanzi abetâ emaqatèni.

4 Walinganisa iwaka, wandiweza emanzini, amanzi abetâ emadolweni. Walinganisa iwaka, wandiweza emanzini, amanzi abetâ esinqeni.

5 Walinganisa iwaka, aba ngumlambô endingena kuwuwela; ngokuba amanzi ahambâ pêzulu, amanzi angawokudadwa, umlambô onge nakuwelwa.

6 Watî kum, Ubonile-na, nyana ka-Adam? Wandihambîsa, wandibuyisa pêzu kodini lomlambô lowo.

7 Ekubuyeni kwam, nanko kukô eludinini lomlambô imitî emininzi kunene ngapâ nangapâ.

8 Wati kum, Lamanzi apûma aye kummandla wasempumalanga, ehle aye e-Araba, aye elwandle, atî ele elwandle, apîliswe amanzi alo,

9 Kutî-ke, yonke imipêfumlo epîlileyo, enyakazelayo ezindaweni zonke, otê wafika kuyo umlambôkazi lowo, ipîle; zibe zininzi kunene intlanzi; ngokuba efikile kôna lamanzi, opîliswa lawa; ipîle yonke into ofike kuyo umlambô-lowo.

10 Kutî-ke kume ababambîsi bentlanzi pêzu kwawo, batâbatelê e-En-gedi, bade baya e-En-heglayim, indawo yokwaneka iminatâ; ziya kuba ngokohlobo lwazo intlanzi zabo, njengentlanzi zolwandle olukûlu, ukuba zininzi kunene.

11 Ke imigxobozo yalo namadike alo akayi kupîla; aya kunikelwa ekubeni mtyuba.

12 Kupûme pêzu komlambô, pêzu kodini lwawo ngapâ nangapâ, imitî yonke edliwayo, amagqabi ayo akayi kubuna, zingapêli iziqâmo zayo, iya kuvutwa iziqâmo ezitsha ngenyanga zonke; ngokuba amanzi awo wona apûma engcweleni; iziqâmo zayo zibe zezokudliwa, namagqabi ayo abe ngawokupîlisa.

13 Itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Nguwo lo umda, eniya kuzabela ngawo ilizwe ngokwezizwe ezilishumi elinazibini zika-Sirayeli: u-Yosefu woba namacandelo amabini.

14 Ilizwe nilidle ilifa, elowo alidle njengowabo; ngokuba ndapâkamisa isandla sam sokuba ndilinike oyihlo; lowela kuni elilizwe ngokwelifa.

15 Nguwo lo umda welizwe-elo: ngecala langase-Ntla wotâbatêla kulwandle olukûlu ngendlela yase-Hetelon, ukuba uye e-Tsedada;

16 E-Hamati, nase-Berota, nase-Sibrayim, epâkatî komda wase-Damasko nomda wase-Hamati, nase-Hatsere epâkatî, esemdeni wase-Hauran.

17 Umda utâbatêla elwandle, ume nge-Hatsare-enon, umda wase-Damasko; owase-Ntla ngase-Ntla umda wase-Hamati. Licala lase-Ntla ke-elo.

18 Icala langasempumalanga pakati kwe-Hauran ne-Damasko ne-Giliyadi nelizwe likwa-Sirayeli yi-Yordan; notâbatêla emdeni lowa, nise pêzu kolwandle lwangasempumalanga ukulinganisa. Licala lasempumalanga ke-elo.

19 Icala lase-Zantsi ngase-Zantsi lotâbatêla kwa-Tamare, lise emanzini embambâno ase-Kadeshe, lihambê ngomlambô, lise kulo ulwandle olukûlu. Licala lase-Zantsi ngase-Zantsi ke-elo.

20 Icala lasentshonalanga lulwandle olukûlu, lutâbatêla emdeni lowo, lude lulunge nokuya e-Hamati. Licala lasentshonalanga ke-elo.

21 Nozabela-ke elilizwe ngokwezizwe zakwa-Sirayeli.

22 Kotî-ke nilabe ngamaqashiso, libe lilifa kuni nakubasemzini abapâmbûkela kuni, abazele onyana pâkatî kwenu; kuni boba njengabazalelwe kulondawo abapâkatî konyana baka-Sirayeli; bolamkela ngamaqashiso ilifa pâkatî kwezizwe zakwa-Sirayeli kunye nani.

23 Kutî, esizweni apâmbûkele kuso owasemzini, nimnike ilifa lakê apô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

48 Ngawo la amagama ezizwe ezo, etâbatêla ekupêleni nge-Ntla, ehambâ ecaleni kwendlela yase-Hetelon, ukuya e-Hamati, nase-Hatsare-enon, umda wase-Damasko, ngase-Ntla ecaleni lase-Hamati, libe lelakê icala lasempumalanga nelasentshonalanga: u-Dan woba *necandelo* elinye.

2 Ngasemdeni-ke ka-Dan, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Ashere libe linye.

3 Ngasemdeni-ke ka-Ashere, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga; u-Nafetali libe linye.

4 Ngasemdeni ka-Nafetali, kutâbatêla e-

Digitized by Google

caleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Manase libe linye.

5 Ngasemdeni ka-Manase, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Efrayim libe linye.

6 Ngasemdeni ka-Efrayim, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Ruben libe linye.

7 Ngasemdeni ka-Ruben, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Yuda libe linye.

8 Ngasemdeni ka-Yuda, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga, yoba ngumfumo eniya kuwufuma: ube ngamawaka angamashumi amabini anamahlanu *engcongolo* ububanzi, ubude-ke bube njengobesinye isahlulo, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga kude kuye ecaleni lasentshonalanga, ingcwele isesazulwini sawo.

9 Umfumo eniya kuwufumela u-Yehova woba ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, ube ngamawaka alishumi ububanzi.

10 Ube ngowaba umfumo ongcwele, ngowabenzeleleli: ngase-Ntla ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, ngasentshonalanga ube lishumi lamawaka ububanzi, ngasempumalanga ube lishumi lamawaka ububanzi, ngase-Zantsi ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude; ingcwele ka-Yehova yoba sesazulwini sawo.

11 Abenzeleleli abangcwalisiweyo konyana baka-Tsadoki, abasigcinayo isigxina sam, abangandwendwanga ekundwendweni konyana baka-Sirayeli, njengoko bandwendwayo aba-Levi,

12 Woba ngowabo umfumo emfumeni welizwe, uyingcwele kangcwele ngasemdeni wabaka-Levi.

13 Ke aba-Levi bozuza isahlulo esinxulumene nomda wabenzeleleli, sibe ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ubude, sibe lishumi lamawaka ububanzi; bonke ubude bube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka, nobubanzi bube lishumi lamawaka;

14 Bangatêngisi ngento yaso, banganisi ngayo, bangavidluliseli kwabanye intlahlela yelizwe; ngokuba ingcwele ku-Yehova.

15 Ke amawaka amahlanu aseleyo ebubanzîni, kumawaka angamashumi amabini anamahlanu akangcwele, ngawomzi, ngawendawo yokuma neyepândle; umzi woba sesazulwini sawo.

16 Yiyo le imilinganiso: icala langase-Ntla ngamawaka amane anamakûlu amahlanu, icala langase-Zantsi libe ngamawaka amane anamakûlu amahlanu, icala lasempumalanga libe ngamawaka amane anamakûlu amahlanu, icala lasentshonalanga libe ngamawaka amane anamakûlu amahlanu.

17 Ipândle lomzi ngase-Ntla loba ngamakûlu amabini anamashumi amahlanu, ngase-Zantsi libe ngamakûlu amabini anamashumi amahlanu, ngasempumalanga libe ngamakulu amabini anamashumi amahlanu, ngasentshonalanga libe ngamakûlu amabini anamashumi amahlanu.

18 Okuseleyo ebudeni, enxulumene nomfumo ongcwele, koba ngamawaka alishumi ngasempumalanga, kube ngamawaka alishumi ngasentshonalanga, onxulumana nomfumo ongcwele; ungeniselo lwawo lube kukudla kwabasebenzi bawo umzi.

19 Abasebenzi abo-ke bomzi bowalima, bengaba sezizweni zonke zakwa-Sirayeli.

20 Umfumo wonke woba ngamashumi amabini anamahlanu amawaka obude, ube ngamashumi amabini anamahlanu amawaka ububanzi; isahlulo sesine somfumo ongcwele nosifumela ukuba sibe sesomzi-lowo.

21 Indawo eseleyo yoba yeyesikûlu ngapâ nangapâ komfumo ongcwele nakwinzuzo yomzi; ngapâmbî kwamawaka angamashumi amabini anamahlanu omfumo, ide iye emdeni wasempumalanga nangasentshonalanga, pâmbî kwamawaka angamashumi amabini anamahlanu, ngasemdeni wentshonalanga, inxulumene nezinye izahlulo, yoba yeyesikûlu; umfumo ongcwele nengcwele yayo indlu yoba sesazulwini sayo.

22 Kutâbatêla-ke enzuzweni yaba-Levi, kutâbatêla enzuzweni yomzi, esazulwini senzuzo yesikûlu, pâkatî komda ka-Yuda nomda ka-Benyamin, koba kokwesikûlu.

23 Eziseleyo-ke izizwe: kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga; u-Benyamin woba *necandelo* elinye.

24 Ngasemdeni-ke ka-Benyamin, kutâ-

Digitized by Google

batêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Simon libe linye.

25 Ngasemdeni-ke ka-Simon, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Isakare libe linye.

26 Ngasemdeni-ke ka-Isakare, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Zebulon libe linye.

27 Ngasemdeni-ke ka-Zebulon, kutâbatêla ecaleni lasempumalanga, kuse ecaleni lasentshonalanga: u-Gadi libe linye.

28 Ngasemdeni-ke ka-Gadi, ngasecaleni lase-Zantsi, ngase-Zantsi, umda wotâbatêla kwa-Tamare, use emanzini embambâno ase-Kadeshe, ukweze umlambô, use kulo ulwandle olukûlu.

29 Lilo elo ilizwe eniya kulabela izizwe zakwa-Sirayeli ngamaqashiso, ngokwamafa. Zizo ezo izahlulo zalo, itsho i-Nkosi u-Yehova.

30 Zizo ezi izipêlo zamacala omzi: ngecala langase-Ntla ngamawaka amane anamakûlu amahlanu umlinganiso ngengcongolo;

31 Amasango omzi oba ngokwamagama ezizwe zakwa-Sirayeli, ibe ngamasango amatâtû ngase-Ntla: ibe lisango lika-Ruben elinye, ibe lisango lika-Yuda elinye, ibe lisango lika-Levi elinye;

32 Ngecala lasempumalanga yoba ngamawaka amane anamakûlu amahlanu engcongolo; amasango-ke amatâtû: ibe lisango lika-Yosefu elinye, ibe lisango lika-Benyamin elinye, ibe lisango lika-Dan elinye.

33 Ngecala langase-Zantsi, umlinganiso yoba ngamawaka amane anamakûlu amahlanu; amasango-ke amatâtû: ibe lisango lika-Simon elinye, ibe lisango lika-Isakare elinye, ibe isango lika-Zebulon elinye.

34 Ngecala lasentshonalanga yoba ngamawaka amane anamakûlu amahlanu; amasango-ke awo matâtû: ibe lisango lika-Gadi elinye, ibe lisango lika-Ashere elinye, ibe lisango lika-Nafetali elinye.

35 Ukujikeleza-ke lishumi elinesibôzo lamawaka engcongolo. Igama lawo umzi kotîwa kususela kulomini Ngu-Yehova ekôna.

INCWADI KA-DANIYELI.

ISIQENDU I.

NGOMNYAKA wesitâtû wobukumkani buka-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda, kweza u-Nebukadenetsare ukumkani wase-Babeli e-Yerusalem, wayingqinga.

2 I-Nkosi yamnikela u-Yoyakim ukumkani wakwa-Yuda esandleni sakê nenxalenye yempahla zendlu ka-Tixo, awazitwalela ezweni lase-Shinare, endlwini yotîxo wakê; impahla-ezo wazingenisa endlwini yobuncwane botîxo wakê.

3 Watî ukumkani ku-Ashpenazi umtêtêli-matênwa akê, makazise abakonyana baka-Sirayeli, nabembêwu yakwakumkani nabakwamawaba;

4 Abantwana abange nasipâko abanomkhta, ababuqiqileyo ubulumko bonke, abanokwazi, abanokuyiqonda bayazi into, abafanel' ukuma ebôtweni lokumkani; abafundise incwadi nolwimi lwama-Kaledi.

5 Ukumkani wabamisela umamkeliso wemini ngangemini yawo, ekudleni kokumkani nase-wayinini ayiselayo, ukuze bondliwe iminyaka emitâtû, batî ekupêleni kwayo beme pâmbî kokumkani.

6 Ke pâkatî kwabo abo kwakukô abakonyana baka-Yuda ngu-Daniyeli, no-Hananiya, no-Mishayeli, no-Azariya.

7 Umtêtêli-matênwa wabatîya amagama: u-Daniyeli wamtîya elokuba-Beletshatsare, u-Hananiya elokuba-Shadraki, u-Mishayeli elokuba-Meshaki, u-Azariya elokuba-Abede-nego.

8 Kekaloku u-Daniyeli wayeqqibe entliziyweni yakê, ukuba angazincôlisi ngokudla kokumkani nange-wayini ayiselayo; wacela kumtêtêli-matênwa, ukuba angazincôlisi.

Digitized by Google

9 U-Tixo wenza u-Daniyeli ukuba afumane inceba nemfesane pâmbî komtêtêli-matênwa.

10 Umtêtêli-matênwa watî ku-Daniyeli, Ndiyayoyika inkosi yam ukumkani, omise eniya kukudla neniya kukusela; yinina ukuba abubone ubuso benu butê-matshamatsha kunobaya abazintanga zenu? noyizekisa ityala intloko yam kukumkani.

11 Watî u-Daniyeli kwinjoli, abetê umtêtêli-matênwa wayimisa pêzu ko-Daniyeli, no-Hananiya, no-Mishayeli no-Azariya,

12 Kâubalinge abakônzi bakô intsuku ezilishumi, sinikwe sidle imifuno, sisele namanzi;

13 Kukângelwe pâmbî kwakô ukubonakala kwetû, nokubonakala kwabantwana abadla ukudla kokumkani; wenze-ke kubakônzi bakô njengoko ubone ngako.

14 Yabapûlapûla-ke kwelilizwi, yabalinga intsuku ezilishumi.

15 Ekupêleni kwentsuku ezilishumi yabonakala imbônakalo yabo intle, batyebile, ngapêzu kwabantwana bonke abadla ukudla kokumkani.

16 Yakususa-ke injoli ukudla kwabo, newayini abange beyisela, yabanika imifuno.

17 Abobantwana bane u-Tixo wabanika ukwazi nokuziqonda incwadi zonke nobulumko; u-Daniyeli waba nokuyiqonda inibono yonke namapûpâ.

18 Ekupêleni kwentsuku, abetê ukumkani maze baziswe ngazo, umtêtêli-matênwa wabangenisa-ke pâmbî ko-Nebukadenetsare.

19 Ukumkani watêtâ nabo; kubo bonke bepêla akufumanekanga banjengo-Daniyeli, no-Hananiya, no-Mishayeli, no-Azariya. Bema-ke bona pâmbî kokumkani.

20 Ke kuzo zonke indawo zobulumko bokuqonda, abezibuza kubo ukumkani, wabafumana bebadlula ngoku kalishumi zonke izazi nabakwitsi abasebukumkanini bonke.

21 Kekaloku u-Daniyeli waba lapô kwada kwangumnyaka wokuqala ka-Koresi ukumkani.

2 Ngomnyaka wesibini u-Nebukadenetsare engukumkani, u-Nebukadenetsare wapûpâ amapûpâ, wakâtâzeka umoya wakê, wapêlelwa butôngo.

2 Ukumkani watî makubizwe izazi, nabakwitsi, nabakâfuli, nama-Kaledi, bamxelele ukumkani amapûpâ akê. Bezake bema pâmbî kokumkani.

3 Watî ukumkani kubo, Ndipûpê ipûpâ, umoya wam-ke ungqungela ukulazi ipûpâ elo.

4 Ama-Kaledi atêtâ-ke kukumkani ngesi-Aram, atî, Kumkani, yidla ubom ngonapâkade! balaulele abakônzi bakô ipûpâelo: sokuxelela ukutŷilwa kwalo.

5 Wapêndula ukumkani, watî kuma-Kaledi, Ilizwi lam malazeke; ukuba anitânga nindazise ipûpâ-elo nokutŷilwa kwalo: niya kwenziwa iziqwenga, izindlu zenu zenziwe indawo ekuyiwa kuyo endle.

6 Ukuba nitê nalixela ipûpâ-elo nokutŷilwa kwalo: nozuza kum izipô, nemivuzo nembéko enkulu; ngako oko ndixeleleni ipûpâ nokutŷilwa kwalo.

7 Apêndula okwesibini atî, Ukumkani makabalaulele abakônzi bakê ipûpâ-elo, sokuxelela ukutŷilwa kwalo.

8 Ukumkani wapêndula watî, Ndiyazi ngokunyanisekileyo, ukuba ninga ningazuza ixesha, ngenx' enokuba nibona ukuba seliwisiwe ilizwi lam.

9 Ukuba-ke anitânga nindazise ipûpâ. mnye umtêtô kuni; ngokuba nibûnge ngokutêtâ amazwi angamanga onakalisayo pâmbî kwam, lide ixesha libe lilimbi; ngako oko ndityeleni ipûpâ-elo, ndazi-ke ukuba nondixelela ukutŷilwa kwalo.

10 Apêndula ama-Kaledi pâmbî kokumkani, atî, Akukô mntu pêzu komhlaba unokuyixela lento kakumkani; ngenxa yokuba akukô kumkani umkûlu unegunya waka wabuza into enjalo kuzo zonke izazi, nabakwitsi, nama-Kaledi.

11 Ke lonto ayifunayo ukumkani inqabile; akukô namnye unokuyixela pâmbi kokumkani, inge ngabo otîxo abakâya lingekô nakwinto eziyinyama.

12 Ngenxa yoko waqumbâ ukumkani, wanobufalafume obukûlu, watî mazitshatyalaliswe zonke izilumko zase-Babeli.

13 Kwapuma umtêtô wokuba mazibulawe izilumko. Bamfuna-ke u-Daniyeli namakôlwane ake, ukuba bababulale.

14 Waza wapêndula ngecebo nangengqondo u-Daniyeli ku-Ariyoki umtêtêli wamazemb'enkosi akwakumkani, obepûme weza kubulala izilumko zase-Babeli,

15 Wapêndula watî ku-Ariyoki, obe negunya lakomkulu, Yinina ukuba kupûme umtêtô onje ukuba bukâli kukumkani?

Digitized by Google

Waza a-Ariyoki wamazisa u-Daniyeli lento.

16 U-Daniyeli wangena, wacela ukumkani, ukuba ampê ixesha, ukuba amxelele ukumkani ukutŷilwa *kwepûpâ-elo.*

17 Waza u-Daniyeli waya endlwini yakê, wayazisa o-Hananiya, no-Mishayeli, no-Azariya, amakôlwane akê, lento,

18 Ukuze bacele imfesane ku-Tîxo wezulu ngenxa yalemfihlakalo, ukuze bangatshatyalaliswe u-Daniyeli namakôlwane akê kunye nezinye izilumko zase-Babeli.

19 Waza wayitŷilelwa u-Daniyeli lomfihlakalo ngombono wasebusuku. Waza u-Daniyeli wambonga u-Tîxo wezulu.

20 Wasusela u-Daniyeli watî, Malibongwe igama lika-Tixo kususela konapâkade kude kuse epâkadeni; ngokuba ubulumko nobugoŕa bona bobakê.

21 Yena uyawaguqula-ke amaxesha neminyaka, uguzula okumkani, amise okumkani, unika ubulumko kwizilumko, unika ukwazi kwabakwaziyo ukuqonda.

22 Yena utŷila izinto ezinzulu nezisitêleyo, uyakwazi okusebumnyameni, ukukânya kuhleli kuye.

23 Ndiyakubulela, Tîxo wobawo, ndikuncoma, kuba undinike ubulumko nobugoŕa, wandazisa kaloku-nje ebesikucela kuwe; ngokuba usazise ngoku-nje lento kakumkani.

24 Ngenxa yoko u-Daniyeli wangena waya ku-Ariyoki, lowo ubemisiwe ngukumkani ukuba atshabalalise izilumko zase-Babeli. Waya-ke, watî kuye, Mus'ukuzitshabalalisa izilumko zase-Babeli; ndise kukumkani, ndomxelela ukumkani ukutŷilwa *kwepupa-elo.*

25 Waza u-Ariyoki wamzisa u-Daniyeli ngobunxâmo kukumkani, watî kuye, Ndifumene indoda konyana baselutînjweni lakwa-Yuda, eya kumazisa ukumkani ukutŷilwa *kwepûpâ-elo.*

26 Wapêndula ukumkani, watî ku-Daniyeli ogama lingu-Beletshatsare, Unako-na ukundazisa ipûpâ endilibonileyo nokutŷilwa kwalo?

27 Wapêndula u-Daniyeli pâmbî kokumkani, watî, Imfihlakalo, ayibuzayo ukumkani, azinako ukumxelela ukumkani izilumko, nabakwitsi, nezazi, namatola.

28 Kodwa-ke kukô u-Tîxo ezulwini, ozitŷilayo imfihlakalo, onokumazisa ukumkani u-Nebukadenetsare okuya kubakô ekupêleni kwemihla. Ipûpâ lakô nemibono yentloko yakô esililini sakô nantsi:

29 Wena kumkani, izicamango zakô zatî-tyaba kuwe esililini sakô zokuya kubakô emveni koku; lowo-ke uzitŷilayo imfihlakalo uyakwazisa okuya kubakô.

30 Mna, lemfihlakalo ukuyitŷilelwa kwam akungenxa yabulumko ndingaba ndinabo ngapêzu kwabo bonke abapîlileyo, kungenxa yokuze aziswe ukumkani ukutŷilwa kwalo, uzazi izicamango zentliziyo yakô.

31 Wena kumkani, wabubona, nango umfanekiso omkûlu. Lomfanekiso ubumkûlu, nokubengezela kwawo kwancamisa, umi pâmbî kwakô, imbônakalo yawo ibisoyikeka.

32 Lomfanekiso: intloko yawo ibi yigolide elungileyo, isifuba sawo nengalo zawo zi-yisilvere, isisu sawo namanqe awo elubêdu,

33 Imilenze yawo isinyiti, inyawo zawo, ngenxalenye zisinyiti, ngenxalenye ziludongwe.

34 Wawubona lada lazitŵebula ilitye kunge ngazandla, labetâ emfanekisweni, ezinyaweni zawo zesinyiti nodongwe, lazicola.

35 Zaza-ke zacoleka kwakanye isinyiti, nodongwe, nobêdu, ne-silvere, ne-golide, zanjengomququ wezanda zasehlotyeni; wemka nazo umoya, azafunyanelwa ndawo; ilitye-elo, libetîleyo emfanekisweni, laba yintaba enkulu, lazalisa umhlaba wonke.

36 Lilo elo ipûpâ; ukutŷilwa kwalo sokuxela pâmbî kokumkani.

37 Wena kumkani, kumkani wokumkani, u-Tîxo wezulu ukunike ubukumkani namandla nokomelela nozuko;

38 Endaweni zonke-ke, apô kuhleli kôna into engumntu, amafamncwa asendle nentaka zezulu uzinikele esandleni sakô, wakwenza wanegunya kuzo zonke—intloko ye-golide le nguwe.

39 Emveni kwakô kuya kuvela obunye ubukumkani obupântsi kunawe, nobunye ubukumkani besitâtû bobêdu, obuya kuba negunya emhlabeni wonke.

40 Nobesine ubukumkani buya kuba njengesinyiti ukomelela, ngenx' enokuba isinyiti sizicola sizitî-nkumenkume izinto zonke, boba njengesinyiti ukuzicola nokuzitî-nkumenkume izinto zonke.

Digitized by Google

41 Wazibonayo-nje inyawo nenzwane, beziludongwe lombumbi ngenxalenye, zisinyiti ngenxalenye: bubukumkani obuya kuba bobahlukanayo; kobakô ubulukûni besinyiti kubo; ngenx' enokuba ubusibona sisinyiti sixutywe nodongwe oluludaka.

42 Inzwane zenyawo zisinyiti-nje ngenxalenye, ziludongwe-nje ngenxalenye; ubukumkani buya kuti bomelele ngenxalenye, bube nkumenkume ngenxalenye.

43 Wasibonayo-nje isinyiti sixutywe nodongwe lodaka: baya kuzixuba nembêwu yento engumntu; kodwa abayi kunamatêlana, yabona, kwanjengokuba isinyiti singaxubeki nodongwe.

44 Ngemihla yabokumkani u-Tixo wezulu uya kumisa ubukumkani obungayi konakala napâkade, obobukumkani abuyi kusala nabantu bambi; buya kuzicola buzigqibe zonke ezozikumkani, bona bume ngonapâkade.

45 Ngenx' enokuba wabonayo, ukuba ilitye lazitwebula entabeni kunge ngasandla, lasicola isinyiti, nobêdu, nodongwe, ne-silvere, ne-golide; u-Tixo omkûlu umazisile ukumkani okuya kubakô emveni koku; ipûpâ liqinisekile, ukutyilwa kwalo kuyinyaniso.

46 Waza ukumkani u-Nebukadenetsare wawa ngobuso bakê, waqubuda ku-Daniyeli, wati, makatûlulelwe iminikelo yokudla, aqûnyiselwe amavumbâ atôzamisayo.

47 Ukumkani wampêndula u-Daniyeli, wati, Okwenyaniso, u-Tixo wenu ngu-Tixo wotixo, yi-Nkosi yokumkani, ngumtyili wemfihlakalo, utê wanako-nje wena ukuyityila lemfihlakalo.

48 Waza ukumkani wamenza mkûlu u-Daniyeli, wampâ izipô ezikûlu zazininzi, wamenza wanegunya pêzu kwelizwe lonke lase-Babeli, wangumongameli omkûlu wezilumko zonke zase-Babeli.

49 U-Daniyeli wacela kukumkani; yena wamisa enkonzweni yokupâtâ ilizwe lase-Babeli o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abedenego; ke yena u-Daniyeli waye sesangweni lokumkani.

3 U-Nebukadenetsare ukumkani wenza umfanekiso we-golide, ukupâkama kwawo bekuzi-kubite ezimashumi matândatû, ububanzi bawo bebuzi-kubite ezintandatû, wawumisa etafeni lase-Dura, ezweni lase-Babeli.

2 U-Nebukadenetsare watûmela ukuba kuhlanganiswe i-fuluneli, nabatêtêli bomkôsi, namabambâ, nabagwebi abakûlu, nabagcini bobutyebi, nabaqondisi-mtêtô, nabagwebi, nabo bonke abanegunya emazweni, ukuze beze ekusungulweni komfanekiso, abewumisile u-Nebukadenetsare ukumkani.

3 Zaza zahlanganisana i-fuluneli, nabatêtêli bomkôsi, namabambâ, nabagwebi abakûlu, nabagcini bobutyebi, nabaqondisimtêtô, nabagwebi, nabo bonke abanegunya emazweni, ukuze usungulwe umfanekiso, abewumisile u-Nebukadenetsare ukumkani; bema-ke pâmbi komfanekiso, abewumisile u-Nebukadenetsare ukumkani.

4 Ummemezi wadanduluka ngamandla, wati, Kutiwa kuni zintlanga, zizwe, zilwimi:

5 Ngexesha enitê neva izwi lesigodlo, nelembânde nele-kitare, nelomfubê, nelohadi, nelogwali, nelezinye intlobo zonke ezibetwayo, yiwani pântsi, niqubude kumfanekiso we-golide, awumisileyo u-Nebukadenetsare ukumkani;

6 Ongatânga awe pântsi, aqubude, uya kujulelwa kwa oko eziko elivutâ umlilo.

7 Ngenxa yoko ngeloxesha, xa zilivayo intlanga zonke ilizwi lesigodlo, nelembânde, nele-kitare, nelomfube, nelohadi, nelogwali, nelezinye intlobo zonke ezibetwayo, zawa pântsi zonke intlanga, nezizwe, nelwimi, zaqubuda kumfanekiso wegolide, abewumisile u-Nebukadenetsare ukumkani.

8 Ngenxa yoko ngeloxesha kwasondela amadoda angama-Kaledi, awanceteza ama-Yuda.

9 Atêtâ ati kukumkani u-Nebukadenetsare, Kumkani, yidla ubomi ngonapâkade!

10 Wena kumkani, uwise umtêtô wokuti: bonke abantu abatê baliva izwi lesigodlo, nelembânde, nele-kitare, nelomfube, nelohadi, nelogwali, nelezinye intlobo zonke ezibetwayo, mabawe pântsi, baqubude kumfanekiso we-golide;

11 Ongatânga awe pântsi, aqubude, makajulelwe eziko elivutâ umlilo.

12 Kukô amadoda angama-Yuda, owamise enkonzweni yokupâtâ ilizwe lase-Babeli, u-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego; lamadoda akakâtâli nguwe, kumkani, akababusi otixo bakô, akaqubudi kumfanekiso we-golide owumisileyo.

13 Waza wati u-Nebukadenetsare, eq-

Digitized by Google

mbå, eshushu, mabaziswe o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego. Aziswa-ke lamadoda pambi kokumkani.

14 Wapendula u-Nebukadenetsare, watí kubo, Nenza ngabomi-na, Shadraki, Meshaki, Abede-nego, ukutí ningambusi utíxo wam, ningaqubudi kumfanekiso wegolide endiwumisileyo?

15 Ke ukuba nitê ngoku nalungela ukutí, ngexesha lokuva kwenu izwi lesigodlo, nelembånde, nele-kitare, nelomfubê, nelohadi, nelogwali, nelezinye intlobo zonke ezibetwayo, niwe pantsi, niqubude kumfanekiso endiwenzileyo; kodwa ukuba anitånga niqubude: nojulelwa kwa oko eziko elivutå umlilo; ngubanina-ke utíxo oya kunisindisa esandleni sam?

16 Bapendula o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego, batí kukumkani, Nebukadenetsare, akufuneki kutí ukuba sikupendule ngalendawo.

17 Ukuba u-Tíxo wetu esimbusa unako: wosisindisa eziko elivutå umlilo, nasesandleni sakô, kumkani.

18 Ke, ukuba akunjalo, makwazeke kuwe, kumkani, ukuba asiyi kubabusa otíxo bakô, asiyi kuqubuda kumfanekiso we-golide owumisileyo.

19 Wesuka u-Nebukadenetsare wazala bushushu, nokumila kobuso bakê baba bubi ku-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego; wapendula watí, iziko malenziwe libe shushu ngokupindwe kasixênxe, kunoko fudula lisenziwa shushu ngako.

20 Watí kumadoda, kumadoda anoburoti empi yakê, makababope o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego, abajulele eziko elivutå umlilo.

21 Aza lamadoda abotshwa ene-hempe zawo, nengubo zawo zangapantsi, nezokwaleka, nezinye ingubo zawo, ajulelwa eziko elivutå umlilo.

22 Kwatí, ngenx' enokuba ilizwi lokumkani belibukåli, neziko belenziwe lashushu ngokuncamisileyo, ngenxa yoko ilangatye lomlilo lawabulala lomadoda abafunqulayo u-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego.

23 Lamadoda omatåtû, o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego, awa pakatí kweziko elivutå umlilo, ebotshiwe.

24 Waza u-Nebukadenetsare ukumkani wetuka, wesuka ngobunxåmo, watêtå watí kumapakatí akê, Besingajulelanga pakatí komlilo amadoda amatåtû yinina, ebotshiwe? Apendula atí kukumkani, Unyanisile, kumkani.

25 Wapendula watí, Kangelani, ndibona amadoda amane, ekûlulekile, ehambå pakatí komlilo, engenzakele; ukubonakala kweyesine-ke kufana nonyana wotíxo.

26 Waza u-Nebukadenetsare wasondela esangweni leziko elivutå umlilo, wapendula watí, Shadraki, Meshaki, Abede-nego, bakônzi bo-Tíxo Osenyangweni, pûmani nize. Baza bapûma o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego, emlilweni.

27 Zahlanganisana i-funeli, nabatêtêli bomkôsi, namabambå, namapakatí okumkani; bawakangela lamadoda, ukuba umlilo awubanga namandla emizimbêni yawo, akuraukanga nonwele lwentloko yawo, i-hempe zawo azibanga zizimbí, nevumbå lomlilo alifikanga kuwo.

28 Wapendula u-Nebukadenetsare watí, Makabongwe u-Tíxo ka-Shadraki, ka-Meshaki, ka-Abede-nego, ositûmileyo isitûnywa sakê, wabasindisa abakônzi bakê, ababekôlosa ngaye, baligqitå ilizwi lokumkani, bayinikela imizimbå yabo, ukuba bangabusi bangaqubudi kutíxo nonguwupí onge nguye u-Tíxo wabo.

29 Ndiwisa umtêtô wokuba zonke intlanga, nezizwe, nelwimi, ezisukuba zitêtå into eyimpôsiso ngo-Tíxo ka-Shadraki, ka-Meshaki, ka-Abede-nego, ziya kwenziwa iziqwenga; izindlu zabo zenziwe indawo ekuyiwa kuyo endle; ngenx' enokuba kungekô tíxo wumbí unako ukuhlangula ngololuhlobo.

30 Waza ukumkani wabenza banempumelelo o-Shadraki, no-Meshaki, no-Abede-nego, ezweni lase-Babeli.

4 U-Nebukadenetsare ukumkani utí kuzo zonke intlanga, nezizwe, nelwimi ezimiyo emhlabeni wonke, Malube lukûlu uxolo lwenu.

2 Imiqondiso nezimanga, azenzileyo kum u-Tíxo Osenyangweni, kukôlekile kum ukuba ndizixele.

3 Imiqondiso yakê, hayi ukuba mikûlu kwayo! izimanga zakê, hayi ukuba namandla kwazo! Ubukumkani bakê bubukukumkani obungunapâkade, igunya lakê likwizizukulwana ngezizukulwana.

4 Mna Nebukadenetsare, bendicûlumacile endlwini yam, ndenile ebôtweni lam.

5 Ndabona ipûpå, landetûsa; ndane-

Digitized by Google

ngcinga esililini sam, nemibono yentloko yam eyandikwanqisayo.

6 Ndawisa umtetô wokutí, zonke izilumko zase-Babeli maziziswe pâmbí kwam, ukuba zindazise ukutŷilwa kwepûpâ-elo.

7 Zaza zeza izazi, nabakwitsi, nama-Kaledi, namatola, ndabalaulela ipûpâ, ke, abandazisanga ukutŷilwa kwalo;

8 Kwada ekupêleni kweza kum u-Daniyeli, ogama lingu-Beletshatsare ngokwegama lotíxo wam, onomoya wotíxo abangcwele, ndamlaulela ipûpâ, ndatí,

9 Beletshatsare, mongameli wezazi, wena ndikwaziyo ukuba unomoya wotíxo abangcwele, akukô mfihlakalo ikukôhlayo, ndityelele imibono yepûpâ lam endilibonileyo, nokutŷilwa kwalo.

10 Imibono-ke yentloko yam esililini sam nantsi: Ndabona, nango umtí usesazulwini somhlaba, ukupâkama kwawo bekukûlu.

11 Wakûla umtí, womelela; ukupâkama kwawo kwafikelela ezulwini, nokubonakala kwawo ekupêleni komhlaba wonke.

12 Amagqabi awo abe mahle, neziqâmo zawo bezizininzi, ubunokudla *okwanele* into zonke; amafamnewa asendle abe nomtûnzi pântsi kwawo, intaka zezulu zahlala emasebeni awo, yadla kuwo yonke inyama.

13 Ndabona emibonweni yentloko yam, ndisesililini sam, nanko kusihla umlindi engongcwele ezulwini.

14 Wadanduluka ngamandla, watsho ukutí, Wugauleni lomtí, niwanqumle amasebe awo, niwaqâule amagqabi awo, nizicîtâcîtê iziqâmo zawo? makabaleke emke pântsi kwawo amafamncwa, nentaka emasebeni awo.

15 Kodwa-ke isipûnzi esinengcambû zawo sishiyeni emhlabeni, sipânjiwe ngesinyiti nobêdu eluhlazeni lwasendle; makanyakamiswe ngumbetê wezulu; makahlulelane nenkomo ngotyani bomhlaba.

16 Intliziyo yakê mayisuke ingabi yeyomntu, anikwe intliziyo yenkomo; kudlule amaxesha amisiweyo abe sixênxe pêzu kwakê.

17 Umyalezo-lo ukô ngengqibo yabalindi, umcimbí-lo lilizwi labayingcwele, ngokokuze bazi abahleliyo, ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, abunike lowo atânda ukumnika, amise opântsi ebantwini pêzu kwabo.

18 Elopûpâ ndilibonile, mna kumkani Nebukadenetsare, wena-ke Beletshatsare, litŷile-ke, ngenx' enokuba zonke izilumko zobukumkani bam zinge nako ukundazisa ukutŷilwa kwalo; ube-ke wena unako, ngokuba unomoya wotíxo abangcwele.

19 Waza u-Daniyeli ogama lingu-Beletshatsare, wamangaliswa umzuzwana, nezicamango zakê zamkwanqisa. Wapêndula ukumkani watí, Beletshatsare, ipûpâ nokutŷilwa kwalo malingakukâtâzi. U-Beletshatsare wapêndula watí, Nkosi yam, ipûpâ malisingisele kwabakutŷileyo, nokutŷilwa kwalo kwabakuzondayo.

20 Umtí owubonileyo, owakûlayo womelela, okupâkama kwawo kwafikelelayo ezulwini, wabonwa emhlabeni wonke.

21 Omagqabi aye mahle, oziqâmo bezizininzi, obunokudla okwanele into zonke, awahlala pântsi kwawo amafamcwa asendle, ezaba nendlu emasebeni awo intaka zezulu:

22 Nguwe lowo, kumkani, utê wakûla, womelela, ubukûlu bakô bukûlileyo, bafika ezulwini, negunya lakô ekupêleni komhlaba.

23 Lento yokuba ukumkani ebone umlindi ongoyingcwele esihla ezulwini, esití, Wugauleni lomtí, niwonakalise, kodwa isipûnzi, esinengcambû sawo, sishiyeni emhlabeni, sipânjiwe ngesinyiti nobêdu eluhlazeni lwasendle, sinyakamiswe ngumbetê wezulu, ahlulelane nenkomo ngotyani, kude kudlule pêzu kwakê amaxesha amisiweyo asixênxe:

24 Nanku ukutŷilwa kwakô, kumkani, nantsi ingqibo y-Osenyangweni eya kuyifikela inkosi yam ukumkani:

25 Uya kugxotwa ebantwini, libe kumafamncwa asendle ikâya lakô, udliswe utyani njengenkomo, unyakamiswe ngumbetê wezulu, kudlule pêzu kwakô amaxesha amisiweyo asixênxe, ude wazi ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, ebunika lowo atânda ukumnika.

26 Lento kutíwe isipûnzi, esinengcambû yomtí, masishiywe, itî: ubukumkani bakô buya kuqiniselwa kuwe, kwa oko wakutí wazi, ukuba amazulu anegunya.

27 Ngako oko kumkani, icebo lam makôleke kuwe, uzapûle izono zakô ngobulungisa, nobugwenxa bakô ngokubababala abazintsizana, ukuba unga kungoluka ukucûlumacâ kwakô.

Digitized by Google

28 Konke oko kwamfikela ukumkani u-Nebukadenetsare.

29 Ekupêleni kwenyanga ezilishumi elinazibini wayehambâhambâ pêzu kwebôtwe lobukumkani lase-Babeli.

30 Wasusela ukumkani watî, Le asiyiyona i-Babeli enkulu, endiyakêle ukuba ibe yindlu yobukumkani ngokuqina kwamandla am, nangenxa yobuhandiba bobungangamsha bam?

31 Litê elozwi lisesemlonyeni kakumkani, kwawa izwi ezulwini, lisitî, Kutîwe kuwe, Nebukadenetsare kumkani, ubukumkani bumkile kuwe;

32 Uya kugxotŵa ebantwini, libe kumafamncwa asendle ikâya lakô, udliswe utyani njengenkomo, kudlule pêzu kwakô amaxesha amisiweyo asixênxe, ude wazi ukuba Osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, ebunika lowo atânda ukumnika.

33 Kwa oko lazaliswa ilizwi ku-Nebukadenetsare; wagxotŵa ebantwini, wadla utyani njengenkomo, wanyakamiswa umzimbâ wakê ngumbetê wezulu, zada inwele zakê zakûla, zanjengentsiba zenkozi, nentzipo zakê zanjengezentaka.

34 Ekupêleni kwemihla mna Nebukadenetsare ndawapâkamisela ezulwini amehlo am; ukwazi kwam kwabuyela kwa kum, ndambonga Osenyangweni, ndamncoma, ndambeka ohleli ngonapâkade, ogunya liligunya elingunapâkade, obukumkani bunezizukulwana ngezizukulwana.

35 Baye bonke abemi bomhlaba bebalelwe ekubeni yinto enge nto, esenza ngokutânda kwakê empini yasezulwini, nakubemi bomhlaba; akukô bani ubetâyo esandleni sakê, atî kuye, Wenza ntonina?

36 Kwa oko ukwazi kwam kwabuyela kwa kum; nangenxa yobuhandiba bokukumkani bam, ubungangamsha bam nokutyatyambâ kwam kwabuyela kwakum; andifuna amapâkatî am nezikûlu zam; ndabuyiselwa ebukumkanini bam, ndongezwa ubukûlu obuncamisileyo.

37 Kaloku, mna Nebukadenetsare, ndiyamncoma, ndimpâkamise, ndimbeke u-Kumkani wezulu; ngokuba yonke imisebenzi yakê iyinyaniso, nendlela zakê zisesikweni, nangokuba enako ukubatôba abahambâ beqânqalazile.

5 U-Beletshatsare ukumkani walenzela isidlo esikûlu iwaka lezikûlu zakê, wasela i-wayini pâmbi kwewaka-elo.

2 U-Beletshatsare, akuyiva i-wayini; watî maziziswe impahla ze-golide nezesilvere, abezitimbîle u-Nebukadenetsare uyise e-tempileni ese-Yerusalem, ukuze asele ngazo ukumkani nezikûlu zakê, namakôsikazi akê namashweshwe akê.

3 Baza bazisa impahla ze-golide, ezazitinjwe e-tempileni yendlu ka-Tîxo ese-Yerusalem. Wasela ngazo ukumkani nezikûlu zakê, namakôsikazi akê namashweshwe akê.

4 Basela i-wayini, babancoma otîxo begolide, nabe-silvere, nabobêdu, nabesinyitî, nabemitî, nabamatye.

5 Kwa oko kwavela iminwe yesandla somntu, yabâla malunga nesipâtô sesibane e-kalikeni yodonga lwebôtwe lobukumkani; ukumkani wakubona ukupêla kwesandla esibâlayo.

6 Laza laguquka ibala lobuso bokumkani, zamngqungisa izicamango zakê, amalungu esinqe sakê acombuluka, namadolo akê abetâbetâna.

7 Ukumkani wadanduluka ngamandla, ukuba baziswe abakwitsi, nama-Kaledi, namatola. Wapêndula ukumkani, watî kwizilumko zase-Babeli, Otê wawulesa lombâlo, wakuxela kum ukutŷilwa kwawo: uya kunxitywa ingubo ezimfusa nomxokelelwane we-golide emqaleni wakê, abe ngowabatâtû abanegunya ebukumkanini-obu.

8 Zaza zafika zonke izilumko zokumkani; ke, azabi nako ukuwulesa umbâlo nokumazisa ukumkani ukutŷilwa kwawo.

9 Waza u-Beletshatsare ukumkani wakâtâzeka kakûlu, laguquka ibala lobuso bakê, nezikûlu zakê zadubadubeka.

10 Ukumkanikaz' unina, ngenxa yamazwi okumkani nezikûlu zakê, wangena endlwini yomgidi. Ukumkanikaz' unina wapêndula watî, Kumkani, pîla ngonapâkade! izicamango zakô mazingakukâtâzi; lingaguquki ibala lobuso bakô.

11 Kukô indoda ebukumkanini bakô, enomoya wotîxo abangcwele; ekwatî ngemihla yoyihlo kwafunyanwa kuyo ukukânya nokuqiqa nobulumko njengobulumko botîxo, awatî ukumkani u-Nebukadenetsare uyihlo wayimisa yangumongameli wezazi, nabakwitsi, nama-Kaledi, namatola, uyihlo, kumkani;

Digitized by Google

12 Ngenx' enokuba kwafunyanwa kuye umoya ogqitiseleyo ngobuhle, nokwazi, nokuqiqa, etyila amapupa, exela intsonkota, ecombulula amaqina, ku-Daniyeli, owatiywa ngukumkani igama elingu-Beletshatsare. U-Daniyeli makabizwe kaloku, wokuxela ukutyilwa kwaso.

13 Waza u-Daniyeli wasiwa pambi kokumkani. Ukumkani wateta ku-Daniyeli, wati, Ungula-Daniyeli-na ongowakonyana baka-Yuda abatinjwayo, abaziswayo ngukumkani ubawo, bepuma kwa-Yuda?

14 Ndikuvile, ukuba unomoya wotixo wena, kufunyanwa kuwe ukukanya, nokuqiqa, nobulumko obuncamisileyo.

15 Kekaloku beziziswe kum izilumko nabakwitsi, ukuze balese lombalo, bandazise ukutyilwa kwawo; ke, azibanga nako ukundixelela ukutyilwa kwalento.

16 Mna ndivile-ke ngawe, ukuba unako ukuyityila into ucombulule namaqina. Ukuba-ke ute wanako ukuwulesa lombalo nokundazisa ukutyilwa kwawo, uya kunxitywa ingubo ezimfusa nomxokelelwane we-golide emqaleni wako, ube ngowabatatu ebukumkanini abanegunya.

17 Waza wapendula u-Daniyeli wati pambi kokumkani, Izipo zako mazihlale kuwe, imivuzo yako uyinike omnye; kodwa ndiya kuwulesa lombalo kukumkani, ndimazise ukutyilwa kwaso.

18 Wena kumkani, u-Tixo Osenyangweni wamnika u-Nebukadenetsare uyihlo ubukumkani, nobukulu, nobuhandiba, nobungangamsha.

19 Ngenxa yobukulu-ke awabunikwayo zadidizela zonke intlanga, nezizwe, nelwimi, zetuka pambi kwake; lowo watanda ukumbulala, wambulala; lowo watanda ukumyeka apile, wamyeka wapila; lowo watanda ukumpakamisa, wampakamisa; lowo watanda ukumtoba, wamtoba.

20 Ke xeshikweni intliziyo yake yazipakamisayo, umoya wake waqinayo, wakukumalayo, wesuka wahliswa e-troneni yobukumkani bake, nobuhandiba bake basuswa kuye.

21 Wagxotwa konyana babantu, intliziyo yake yaba njengeyenkomo, nekaya lake laba sema-esileni asendle, wadliswa utyani njengenkomo, wanyakamiswa umzimba wake ngumbete wezulu, wada wazi, ukuba u-Tixo osenyangweni unegunya ebukumkanini babantu, amise pezu kwabo lowo atanda ukummisa.

22 Wena-ke nyana wake, Beletshatsare, akuyitobanga intliziyo yako, nakuba ubukwazi oko konke.

23 Uzipakamisile ngapezu kwe-Nkosi yezulu, nempahla zendlu yayo zaziswa pambi kwako, wena nezikulu zako, namakosikazi ako namashweshwe ako, nasela i-wayin ngazo; wancoma otixo be-silvere, nabe-golide, nabobedu, nabesinyiti, nabemiti, nabamatye, abangaboniyo, abangeviyo, abangaziyo; ke u-Tixo lowo, kusesandleni sake ukupefumla kwako, onazo zonke indlela zako, akumbekanga.

24 Waza watuma, kwavela kuye okokupela kwesandla, lombalo-ke wawubaliwe.

25 Nangu-ke lombalo wawubaliwe: MENE, MENE, TEKELE, UFARSIN.

26 Nanku ukutyilwa kwalento: elokuba-MENE iti, U-Tixo ububalile ubukumkani bako, wabufeza.

27 Elokuba-TEKELE iti, Wena ulinganisiwe e-skalini, wafunyanwa ulula.

28 Elokuba-PERES iti, Buyahlulwa ubukumkani bako, bunikwe ama-Medi nama-Persi.

29 Waza u-Beletshatsare wayalela, bamnxiba u-Daniyeli ingubo ezimfusa nomxokolelwane we-golide emqaleni wake; bamemeza ngaye ngeliti, uya kuba ngowabatatu onegunya ebukumkanini.

30 Kwa ngobobusuku wabulawa u-Beletshasare ukumkani wama-Kaledi.

31 U-Dariyo um-Medi wabutabata ubukumkani, eminyaka ikumashumi omatandatu anamibini ezelwe.

6 Kwakeleka ku-Dariyo ukumisa pezu kobukumkani i-fuluneli ezilikulu elinamashumi amabini, ukuze zibe sebukumkanini bonke;

2 Wamisa pezu kwazo ezo abongameli babatatu, omnye kubo ngu-Daniyeli, ukuze i-fuluneli zinike ingxelo kubo, ase ukumkani angabi nanxwaleko.

3 Waza lo-Daniyeli wabongamela abongameli nabazi-fuluneli, ngokokuba egqitisele kubongameli ngomoya omhle; ukumkani wacinga ngokummisa pezu kobukumkani bonke.

4 Baza abongameli nabazi-fuluneli bafuna, ukuba bafumane ituba ngaku-Daniyeli mayela nobukumkani; ke, ababanga nako ukufumana nalinye ituba nantlondi imbi,

Digitized by Google

ngenx' enokuba ebetêmbêkile, bekungafumaneki nanye imposiso nantlondi imbî kuye.

5 Aza lomadoda atî, Asiyi kufumana nalinye itûba ngakuló-Daniyeli, ngapândle kokuba silifumane kuye mayela nomtêtô wo-Tîxo wakê.

6 Baza abo bangabongameli nabazi-fuluneli beza kukumkani, bedlongozela batsho kuye ukutî, Kumkani Dariyo, pîla ngonapâkade!

7 Bonke abongameli bobukumkani, nabatêtêli bomkôsi, ne-fuluneli, namapâkatî, namabambâ, bavumelene ngecebo lokuba ukumkani amise ummiselo, aqinise isalelo sokuti: Bonke abatândaza umtândazo nakongubani, utîxo nomntu, onge nguwe, kumkani, ngentsuku ezimashumi matâtû, mabajulelwe emhadini wengonyama.

8 Kaloku-ke kumkani siqinise isalelo, uwubâle umbâlo, onge nakuguqulwa ngokomtêtô wama-Medi nama Persi, onge nakutshitshiswa bani wona.

9 Ngenxa yoko ukumkani u-Dariyo wawubâla umbâlo lowo, isalelo-eso.

10 Kekaloku u-Daniyeli, akwazi ukuba umbâlo lowo ubâliwe, wangena endlwini yakê; ibe ne-festile zivulekile egumbîni lakê elipêzulu, elikângele e-Yerusalem, waguqa ngamadolo akê izihlandlo ezitâtû ngemini, watândaza, wabulela pâmbî ko-Tîxo wakê, ngenx' enokuba ebesenje njalo kakade.

11 Aza adlongoza lamadoda, amfumana u-Daniyeli etândaza, etafuzisa pâmbî ko-Tîxo wakê.

12 Eza asondela, atêtâ pâmbî kokumkani ngesalelo sokumkani, atî, Akusibâlangana isalelo sokutî: Bonke abatândaza nakongubani, utîxo nomntu, onge nguwe, kumkani, ngentsuku ezimashumi matâtû, mabajulelwe emhadini wengonyama? Wapêndula ukumkani watî, Lonto iqinisekile ngokomtêtô wama-Medi nama-Persi, onge nakutshitshiswa bani wona.

13 Aza apêndula atî pâmbî kokumkani, U-Daniyeli, ongowakonyana abatinjiweyo bakwa-Yuda, akakâtâli nguwe, kumkani, nasesisalelo osibâlileyo; ke utândaza umtândazo wakê katâtû ngemini.

14 Waza ukumkani, akuweva lomazwi, weva kakubi kakûlu ngaye lonto; wamnyamekela u-Daniyeli ukuba amsindise; wazama ukuba amhlangule, lada latshona ilanga.

15 Aza lamadoda eza edlongozela kukumkani, atî kukumkani, Yazi, kumkani, ukuba ama-Medi nama-Persi anomtêtô wokuba ungabi nakuguqulwa sonke isalelo nommiselo, abewumisile ukumkani.

16 Watsho-ke ukumkani; bamzisa u-Daniyeli, bamjulela emhadini wengonyama. Wapêndula ukumkani, watî ku-Daniyeli, Wanga u-Tîxo wakô, ombusa ngamaxesha onke, angakusindisa.

17 Kwaziswa ilitye, labekwa pêzu komlomo womhadi; ukumkani walitywina ngomsesane wakê wokutywina nangomsesane wokutywina wezikûlu zakê, ukuze kungaguqulwa nto mayela no-Daniyeli.

18 Waza ukumkani waya ebôtweni lakê, wabugqiba ubusuku, ezila ukudla; akwaziswa namashweshwe pâmbî kwakê, wapêlelwa butôngo.

19 Waza ukumkani wavuka ngesifingo kwakusasa, waya emhadini wengonyama, ngobunxâmo.

20 Akusondela emhadini, wadanduluka ku-Daniyeli ngezwi elibuhlungu. Wasusela ukumkani, watî ku-Daniyeli, Daniyeli, mkônzi wo-Tîxo opîlileyo, u-Tîxo wakô, obuhlal' umbusa, ube nako-na ukukusindisa ezingonyameni?

21 Waza u-Daniyeli watî kukumkani, Kumkani, pîla ngonapâkade!

22 U-Tîxo wam utûme isitûnywa sakê, sayivingca imilomo yengonyama, ukuba zingandenzakalisi, ngenx' enokuba pâmbî kwakê kufumaneke ukuba ndimsulwa; napâmbî kwakô, kumkani, andonanga.

23 Waza ukumkani wavuya kunene watî, u-Daniyeli makanyuswe emhadini. Wenyuswa-ke u-Daniyeli. Akwafumaneka nasinye isenzakalo kuye; ngokuba ebekôlwe ku-Tixo wakê.

24 Ukumkani wayalela, aziswa lomadoda abemncetezile u-Daniyeli, bawajulela emhadini wengonyama wona, nabantwana bawo, nabafazi bawo; zaza, bengekafiki nokufika emzantsini womhadi, ingonyama zabagonyamela, zawacola onke amatâmbô abo.

25 Waza u-Dariyo ukumkani wabâlela kuzo zonke intlanga, nezizwe, nelwimi, ebezihleli emhlabeni wonke, watî, Uxolo lwenu malube lukûlu!

26 Ndiwisa umtêtô wokuba batî, ezindaweni zonke zegunya lobukumkani bam, badidizele betûke *abantu* pâmbî ko-Tîxo

Digitized by Google

ka-Daniyeli; ngokuba ungu-Tixo opĩlileyo, emi ngonapâkade, ubukumkani bakê abonakaliswa, negunya lakê liya kude liye ekupêleni,

27 Esindisa, ehlangula, esenza imiqondiso nezimanga ezulwini nasemhlabeni; ngokuba emsindisile u-Daniyeli emandleni engonyama.

28 Lo-Daniyeli waba nempumelelo ebukumkanini buka-Dariyo, nasebukumkanini buka-Koresi um-Persi.

7 Ngomnyaka wokuqala ka-Beletshatsare ukumkani wase-Babeli, u-Daniyeli wabona ipûpâ nemibono yentloko yakê esililini sake. Waza walibâlâ ipûpâ waxela isimbûku sezonto.

2 Wasusela u-Daniyeli watĩ, Ndabona embonweni wam ebusuku, nantso imimoya yomine yasezulwini itỹobozela kulwandle olukûlu.

3 Kwenyuka elwandle amafamncwa amakûlu kakûlu, engafani elinye nelinye.

4 Elokuqala belinjengengonyama, linamapiko okôzi; ndalibona, ada amapĩko alo axwitwa, lafunqulwa emhlabeni, lamiswa ngenyawo njengomntu, lanikwa intliziyo yomntu.

5 Nalo, elinye ifamncwa elesibini linjenge-bere, lazipâkamisa ngacala nye, linembâmbô ezintâtû emlonyeni walo pâkatĩ kwamazinyo alo; kwatĩwa kulo ukutĩ, Suka, udle inyama eninzi.

6 Emveni koko ndabona: nalo, elinye linjengengwe, linamapĩko entaka amane emhlana walo, linentloko ezine; ifamncwa-elo lanikwa igunya.

7 Emveni koko ndabona emibonweni yasebusuku: nalo, ifamncwa lesine, eloyikekayo, elomeleleyo, elincamisileyo ngamandla, elimazinyo makûlu esinyiti, lisidla, liyicola, liyinyatêla ngenyawo zalo into eseleyo; laye lingafani nawo onke amafamncwa abe ngapâmbili kwalo, linempondo ezilishumi.

8 Ndaziqiqa impondo: ndabona, kunyuka pâkatĩ kwazo olunye upôndo lulunciname, ekwancotûlwa pâmbĩ kwalo ezintâtû kwezokuqala impondo. Nanko-ke kukô kolupôndo amehlo anjengamehlo omntu, nomlomo utêtâ izinto ezinkulu kakûlu.

9 Ndabona zada zamiswa i-trone, wahlala u-Nyange lemihla; isambâtô sakê simhlope njengekêpu, nenwele zentloko yakê zinjengoboya bezimvu obunyulu, i-trone yakê ingamalangatye, i-vili zayo ngumlilo olenyayo.

10 Kwapûma umlambô womlilo pâmbĩ kwakê, amawaka amawaka ayelungiselela kuye, nezigidi zezigidi bezimisa pâmbĩ kwakê; abagwebi bahlala pântsi, incwadi zavulwa.

11 Ndabona; ndaza ngenxa yesandi samazwi amakûlu kakûlu olwawatêtâyo upôndo, ndabona, lada labulawa ifamncwa, wabûjiswa umzimbâ walo, wanikelwa emlilweni uvutâ.

12 Amanye-ke amafamncwa ahlutwa igunya lawo; noko-ke bolulelwa ubomi okwetûtyana nexeshana.

13 Ndabona emibonweni yasebusuku: nanko kusiza ngamafu ezulu onjengonyana womntu, wafika ku-Nyange lemihla, wasondezwa pâmbĩ kwakê;

14 Wanikwa igunya, nobuhandiba, nobukumkani, ukuze zonke intlanga nezizwe nelwimi zimbuse; igunya lakê ligunya elingunapâkade elingapêliyo, ubukumkani bakê bobungayi konakaliswa.

15 Umoya wam, mna Daniyeli, wazibijabija pâkatĩ komzimbâ, nemibono yentloko yam yandikwanqisa.

16 Ndasondela komnye wababemi kôna, ukuba ndicele kuye inyaniso ngezozinto zonke; watêtâ kum, ukuze andazise ukutỹilwa kwezinto.

17 Lamafamncwa makûlu kakûlu mane ngokumkani abane, abaya kusuka beme emhlabeni;

18 Ke, ubukumkani baya kubutâbatâ abangcwele b-Osenyangweni, babume ubukumkani kude kuse epâkadeni, kude kuse epâkadeni lamapâkade.

19 Ndaza ndanga ndingayazi inyaniso ngelifamncwa lesine, elingafaniyo nanye onke, elincamisileyo ngokoyikeka, elimazinyo asinyiti, elimatûpa alubêdu, eladla, lacola, layinyatêla ngenyawo into eseleyo;

20 Nangempondo ezilishumi ebezisentloko yalo, nangolunye olwavelayo, ezawa pâmbĩ kwalo ezintâtû; olopôndo belunamehlo, nomlomo obutêtâ izinto ezinkulu kakûlu, ukubonakala kwalo bekukukûlu ngapêzu kwamadlelane alo.

21 Ndabona ukulwa kolupondo nabangcwele, lwabeyisa;

22 Wada weza u-Nyange lemihla, wabagwebela abangcwele b-Osenyangweni,

Digitized by Google

lafika ixesha lokuba abangcwele babume ubukumkani.

23 Watsho ukutí, Ifamncwa lesine-ke: kuya kubakô ubukumkani besine emhlabeni, obungafaniyo bona nezikumkani zonke, buwudle umhlaba wonke, buwunyatêle, buwucole.

24 Impondo ezilishumi-ke: kuya kusuka kume kobobukumkani okumkani abalishumi, kusuke kume omnye emva kwabo; lowo akayi kufana nabapâmbîli; uya kutôba okumkani abatâtû,

25 Atêtê amazwi okucâsana n-Osenyangweni, abonakalise abangcwele b-Osenyangweni, acamange ngokuwenza wambî amatûba nomtêtô, banikelwe esandleni sakê ixesha namaxesha nesiqingatâ sexesha.

26 Ke abagwebi baya kuhlala pântsi, balisuse igunya lake, ukuze litshabalale lidake kude kuse ekupêleni.

27 Ubukumkani negunya nobukûlu bezikumkani pântsi kwezulu lonke bunikwe abantu abangcwele b-Osenyangweni; ubukumkani bakê bubukumkani obungunapâkade, namagunya onke aya kumbusa, amve.

28 Yaza kupêl' apâ lento. Mna Daniyeli, izicamango zam zandikwanqisa kakûlu. Ibala lobuso bam laguquka; ndayigcina lento entliziyweni yam.

8 Ngomnyaka wesitâtû wokulaula kuka-Beletshatsare ukumkani, kwabonakala kum, mna Daniyeli, umbono emva kwalowa wabonakalayo kum matanci.

2 Ndabona embonweni: kwatí, ekuboneni kwam, ndandise-Shushan komkûlu, esezweni lakwa-Elam; ndabona embonweni, ndangasemlanjeni oyi-Ulayi.

3 Ndapâkamisa amehlo am, ndabona: nanko kumi pâmbî komlambô inkunzi yegusha inempondo ezimbîni, ezimpondo zombîni zinde, olunye-ke lulude kunolunye; olu lude lwavela mva.

4 Ndayibona inkunzi yegusha ihlaba ibêkisa entshonalanga nase-Ntla nase-Zantsi; zonke izinto ezipîlileyo azabi nakuma pâmbî kwayo, akwabikô unokuhlangula esandleni sayo, yenza ngokukôlekileyo kuyo, yakûla.

5 Mna-ke ndisaqonda: nanko kuvela inkunzi ye-bôkwe entshonalanga, ihambâ pêzu komhlaba wonke, ingafiki pantsi; inkunzi-ke ye-bôkwe ibi nopôndo olubonakalayo pâkatí kwamehlo ayo.

6 Yaya yafika enkunzini yegusha, umnini-mpondo mbîni, endiyibone imi pâmbî komlambô, yagidimela kuyo-ke ngobushushu bamandla ayo.

7 Ndayibona ifika ecaleni lenkunzi yegusha, yayijamela, yayitŷomfa inkunzi yegusha, yazapûla impondo zayo zombîni. Yayinge namandla inkunzi yegusha ukuma pâmbî kwayo, yayingqula emhlabeni, yayinyasha, akwabikô bani unokuyihlangula inkunzi yegusha emandleni ayo.

8 Inkunzi ye-bôkwe yakûla ngokuncamisileyo; ke yakuba namandla, lwapûka upôndo olukûlu; esikûndleni salo kwavela ezine ezibonakalayo, zabêka emimoyeni yomine yasezulwini.

9 Kolunye kuzo kwapûma upôndo lulu ncinane, lwaba lukûlu ngokuncamisileyo, lwabêka ngase-Zantsi, nangasempumalanga nangasezweni eliligugu;

10 Lwakûla lwada lwesa kumkôsi wezulu, lwayiwisa emhlabeni inxenye yomkôsi lowo yenkwenkwezi, lwayinyasha.

11 Lwazikûlisa, lwada lwesa kumtêtêlimkôsi-lowo, lwasusa kuye *inkonzo* yamaxesha onke, nendawo yengcwele yakê yawiswa pântsi.

12 Umkôsi unikelwe kulo kunye nokwamaxesha onke ngenxa yesireqo, inyaniso lwayiwisela pântsi emhlabeni, lwenza lwanempumelelo.

13 Ndamva ongcwele etêtâ; watí-ke omnye ongcwele kulowo ubetêtâ, Ngowomzuzu ongakananina umbono lowo *wenkonzo* yamaxesha onke, nowesireqo esipânzisayo, ukunikelwa oko kwengcwele nomkôsi lowo ekunyashweni?

14 Wati kum, Koda kube kukuhlwa kusisa okungamawaka amabini anamakûlu amatâtû; yandul'ukulungiswa ingcwele.

15 Kwatí, ndakuwubona umbono, mna Daniyeli, ndafuna ukuqonda: nanko kumi pâmbî kwam okungatí kuyimbônakalo yendoda.

16 Ndeva izwi lomntu pâkatí kwezinxweme ze-Ulayi labiza latí, Gabriyeli, mqondise imbônakalo.

17 Weza kwelicala ndimi kulo; akuza ndoyika, ndawa ngobuso; watí kum, Qonda, nyana ka-Adam; ngokuba umbono lo usingise kwixesha lokupêla.

18 Kekaloku ekutêtêni kwakê nam, ndawa isiduli ngobuso emhlabeni; wandicûkumisa, wandimisa endaweni yokuma kwam;

Digitized by Google

19 Watî, Yabona, ndiyakwazisa okuya kubakô ekupêleni kobâvumo; ngokuba uya kwixesha elimisiweyo lokupêla.

20 Inkunzi yegusha oyibonileyo inempondo ezimbîni: ngokumkani bama-Medi, nabama-Persi;

21 Nenkunzi ye-bôkwe exônti ngukumkani wakwa-Yavan;[1] upôndo olukûlu olupâkatî kwamehlo ngukumkani wokuqala.

22 Ukwapûka oku, kume zibe zine esikûndleni salo, kukutî: kuya kusuka kume izikumkani ezine eluhlangeni, kungabi ngamandla alo-ke.

23 Ekupêleni kobukumkani babo, bakubon'ukuba bazalisile abaŕeqi, kuya kusuka kume ukumkani, obuso bungwanyalala, obaziyo ubuqetseba;

24 Omelele amandla akê; kodwa kungabi ngamandla akê; ke, uya konakalisa ngokubalulekileyo, abe nempumelelo, afeze, abatshabalalise abomeleleyo nabantu babangewele.

25 Ngenxa yobuqokolo bakê yoba nempumelelo inkohliso ngesandla sakê, azenze mkûlu entliziyweni yakê, abatshabalalise abaninzi ngokwalama, asukele pêzulu kumtêtêli wabatêtêli, apûlwe, ke kungabi ngasandla.

26 Umbono wokuhlwa kusisa okânkanyiweyo uyinyaniso. Wena-ke, wuvalele umbono; ngokuba uya kwimihla emininzi.

27 Mna Daniyeli, ndapêla, ndanentsuku ndisifa, ndavuka, ndayenza imicimbî yokumkani, ndamangaliswa yimbônakalo-leyo; kwakungekô uyiqondayo.

9 Ngomnyaka wokuqala ka-Dariyo unyana ka-Ahaswerosi, wasembêwini yama-Medi, owaba ngukumkani pêzu kobukumkani bama-Kaledi;

2 Ngomnyaka wokuqala wobukumkani bakê, mna Daniyeli, ndaqonda ngazo inewadi inani leminyaka, elafikayo ngayo ilizwi lika-Yehova ku-Yeremiya um-profeti, ukuba kuzaliswe iminyaka emashumi asixênxe ngokusingisele kumanxuwa e-Yerusalem.

3 Ndabubêkisa ubuso bam kwi-Nkosi yam u-Tîxo, ukuba ndifune imitândazo nezitafuziso, ndizila ukudla, ndinezifwexayo notûtû.

4 Ndatândaza-ke ku-Yehova u-Tîxo wam, ndavuma ndatî, Awu! Nkosi, Tîxo omkûlu owoyikekayo, obagcinela umnqopîso nenceba abo bamtândayo, bayigcinayo imitêtô yakê,

5 Sonile, senze ngobugwenxa, senze okungendawo; sigwilikile, sipâmbûkile emitêtwêni yakô, nasemasikweni akô.

6 Asibapûlapûlanga abakônzi bakô, abaprofeti ababetêtâ egameni lakô kokumkani betû, nakubatêtêli betû, nakobawo, nakubo bonke abantu belizwe.

7 Nkosi, bukuwe ubulungisa, kutî kudana kobuso, njengoko kunjalo namhla, kumadoda akwa-Yuda, kubemi base-Yerusalem, kuma-Sirayeli onke, akufupî nakude, emazweni onke apô wawagxotêla kôna ngenxa yobumenemene bawo, awamenezayo ngabo kuwe.

8 Nkosi, kutî kudana kobuso, kokumkani betû, nakubatêtêli betu, nakobawo; ngokuba sonile kuwe.

9 E-Nkosini u-Tîxo wetû yimfesane, noxolelo, kuba sigwilikile kuye.

10 Asilipûlapûlanga izwi lika-Yehova u-Tîxo wetû, ukuba sihambê ngemiyalelo yakê, abeyibeke pâmbî kwetû ngabakônzi bakê, aba-profeti.

11 Onke ama-Sirayeli awugqitile umyalelo wakô, atyekile, ukuba angalipûlapûli izwi lakô. Sipâlazekile-ke pêzu kwetû isiqalekiso nesifungo, esibâliweyo emyalelweni ka-Moses umkônzi ka-Tîxo; kuba sonile kuye.

12 Wawamisa-ko amazwi akê, abewatêtêle ngatî, nangabagwebi betû ababesigweba, ngokusizisela ububi obukûlu, obungenziwanga pântsi kwezulu lonke, njengoko benziweyo kwi-Yerusalem.

13 Njengoko kubâliweyo emyalelweni ka-Moses, bonke ububi busizele. Ke, asimbongozanga u-Yehova u-Tîxo wetû, ukuba sibuye ebugwenxeni betû, sibe ngabanokuqiqa ngenyaniso yakô.

14 Wabupâpêla-ke u-Yehova ububi, wasizisela bona; kuba u-Yehova u-Tîxo wetû elungisa ekwenzeni kwakê konke akwenzayo; ke, asilipûlapûlanga izwi lakê.

15 Kaloku-ke, Nkosi Tîxo wetû, owabakûpâyo abantu bakô ezweni lase-Yiputa ngesandla esitê-nqi, wazenzela igama, njengoko kunjalo namhla; sonile, senze okungendawo.

16 Nkosi, ngokwemisebenzi yakô yonke yobulungisa mauk'ubuye umsindo wakô nobushushu bakô kumzi wakô i-Yerusa-

[1] Ama-Griko.

Digitized by Google

lem, kwintaba yakô engcwele; kuba ngezono zetû nangobugwenxa bobawo i-Yerusalem nabantu bakô singcikivo kubo bonke abasijikelezileyo.

17 Kaloku-ke, Tîxo wetû, kupûlapûle ukutândaza komkônzi wakô nokutafuzisa kwakê, ubukânyise ubuso bakô pezu kwengcwele yakô elinxuwa, ngenxa ye-Nkosi.

18 Tôba indlebe yakô, uve. Vula amehlo akô, ubone ukupânza kwetû, nomzi lowo ubizwa ngegama lakô; ngokuba kunge ngenxa yemisebenzi yetû yobulungisa esiwisa ukutafuzisa kwetû pâmbî kwakô, kungenxa yemfesane zakô ezininzi.

19 Nkosi, yiva; Nkosi, xolela; Nkosi, baza indlebe, wenze. Ngenxa yakô, Tîxo wam, mus'ukulibala; kuba umzi wakô nabantu bakô babizwa ngegama lakô.

20 Ndatî ndisatêtâ, nditândaza, ndivuma isono sam nesono sabantu bakowetû ama-Sirayeli, ndiwisa ukutafuzisa kwam pâmbî ko-Yehova u-Tîxo wam, ngenxa yentaba engcwele yo-Tîxo wam;

21 Ndisatêtâ-ke ngokutândaza, indoda engu-Gabriyeli, leyo ndayibonayo embonweni ekuqaleni, nditŷafile nokutŷafa, yasondela kum ngexesha lomnikelo wangokuhlwa;

22 Yandiqondisa, yatêtâ nam, yatî, Daniyeli, ngoku ndipûmile, ukuba ndikufundise uqonde.

23 Kwapûma ilizwi ekuqaleni kokutafuzisa kwakô, mna ndize kulixela kuwe, ngokuba ungonqwenelekayo. Liqonde-ke ilizwi, uqonde umbono.

24 Bamiselwe i-veki ezimashumi asixênxe abantu bakowenu nomzi wakowenu ongcwele, ukuba sitîntelwe isireqo, zitywinwe izono, bucanyagushelwe ubugwenxa, kuziswe ubulungisa obungunapâkade, utywinwe umbono nom-profeti, itânjiswe ingcwele kangcwele.

25 Yazi-ke uqiqe, ukuba kutâbatêla ekupûmeni kwelizwi lokuba ibuyiswe yakîwe i-Yerusalem, kuse kumtânjiswa oyingânga: zi-veki ezisixênxe; zi-veki ezimashumi matândatû anambîni, eya kubuyiswa yakîwe ibe banzi icandwe, ekucutêkeni-ke kwamaxesha.

26 Emveni-ke kwe-veki ezimashumi matândatû anambîni uya kunqunyulwa umtânjiswa, angabi sabi nanto; umzi nengcwele uya kutshatyalaliswa ngabantu bengânga eya kuza; ukupêla kwayo kuya kuba ngomkûkula; kude-ke kuse ekupêleni kuya kuba yimfazwe, lupânziso olumiswe lwagqitywa;

27 Abaninzi ibaqinisele umnqopîso i-veki enye; ngesiqingatâ se-veki ipêlise imibingelelo neminikelo yokudla, ingumpânzisi ize ngamapîko ezinto ezinezotê, sidcke sipâlazeke isipêlo sisesimisiweyo sagqitywa pezu kwayo impânziso.

10 Ngomnyaka wesitâtû ka-Koresi ukumkani wama-Persi, watŷilelwa ilizwi u-Daniyeli, ogama libizwa ngokuba ngu-Beletshatsare, elozwi liyinyaniso, lisingisele eluzengezengeni-ke olukûlu; waliqonda elozwi, wanokuwuqonda umbono.

2 Ngayo lomihla mna Daniyeli bendisenza isijwili intsuku zonke ze-veki ezintâtû.

3 Andidlanga sonka sinencasa, akungenanga nyama na-wayini emlonyeni wam, andizitâmbîsanga, zada zazaliseka intsuku zonke ze-veki ezintâtû.

4 Ngomhla wamashumi amabîni anane wenyanga yokuqala, mna ndaba secaleni lomlambô omkûlu oyi-Hidekele;

5 Ndawapâkamisa amehlo am, ndabona: nantso indoda yambêtê i-linen emhlope, ibînqe esinqeni sayo i-golide ecikizekileyo yase-Ufazi.

6 Umzimbâ wayo wawunjenge-krisoliti, ubuso bayo ngatî ngumbane ukubonakala kwabo, amehlo ayo enjengezikûni ezitshangiswayo, ingalo zayo nenyawo zayo zibonakala ngatî lubêdu olubengezelisiweyo, nesandi samazwi ayo ngatî sisandi sengxokolo yabantu.

7 Mna Daniyeli ndawubona ndedwa umbono lowo; amadoda abe nam akawubonanga umbono; kodwa awelwa kugubâ okukûlu, abaleka azimela.

8 Mna ndasala ndedwa, ndayibona lembônakalo inkulu; ndapêlelwa ngamandla; nebala lobuso bam lasuka lajika, lonakala kum, ndapêlelwa ngamandla.

9 Ndasiva isandi samazwi ayo; ndakusiva-ke isandi samazwi ayo, ndawa mna, ndawa isiduli ngobuso, ubuso bam bubêke emhlabeni.

10 Naso isandla sindicûkumisa, sandimisa ngamadolo am nangentende zezandla zam ezihexayo.

11 Yatî kum, Daniyeli, ndoda inqwenelekayo, waqonde amazwi endiwatêtâ kuwe, ume endaweni yokuma kwakô; kuba

Digitized by Google

nditûnyiwe ngoku-nje kuwe. Itê yakutêtâ nam elozwi, ndesuka ndema nditûtûmela.

12 Yatî kum, Mus'ukoyika, Daniyeli, kuba kususela komhla wokuqala, owayinikelayo intliziyo yakô ekuqondeni nasekuzitôbeni pâmbî ko-Tîxo wakô, aviwa amazwi akô; mna-ke ndize ngenxa yamazwi akô.

13 Ke umtêtêli wobukumkani bama-Persi wamelana nam imihla engamashumi amabini anamnye; uyabona, u-Mikayeli, omnye wakubatêtêli abazintloko, weza kundinceda; mna ndamoyisa kôna, kokumkani bama-Persi.

14 Ndize kukuqondisa-ke okuya kubahlela abantu bakowenu ekupêleni kwemihla; kuba umbono-lo usengowemihla-leyo.

15 Itê ekutêtêni kwayo nam ngokwalamazwi, ndabubêkisa ubuso bam emhlabeni, ndasidenge.

16 Nanko ofana nonyana baka-Adam ecûkumisa umlomo wam; ndawuvula umlomo wam, ndatêtâ ndatî kuló umi pâmbî kwam, Nkosi yam, ngenxa yembônakalo zindifikele inimba zam, ndapêlelwa ngamandla.

17 Angatî-nina-ke ukuba nako umkônzi wenkosi yam le ukutêtâ nenkosi yam le? Mna okwam andisenamandla, akusekô mpêfumlo kum.

18 Wapînda wandicûkumisa onjengomntu ukubonakala kwakê, wandomeleza,

19 Watî, Mus'ukoyika, ndoda inqwenelekayo, yiba noxolo; yomelela, yomelela. Utê ekutêtêni kwakê nam ndomelezeka, ndatî, Mayitêtê inkosi yam, kuba undomelezile.

20 Watî, Uyazi-na into endize ngayo kuwe? Ngoku-ke ndiya kubuya ndiye kulwa nomtêtêli wama-Persi; ndipûmanje, nanko umtêtêli wakwa-Yavan [1] esiza.

21 Noko-ke ndiya kukuxelela okubâliweyo esibâlweni senyaniso. Akukô namnye womelezana nam ngakwabo, ngapândle kuka-Mikayeli umtêtêli wenu.

11 Nam-ke, ngomnyaka wokuqala ka-Dariyo um-Medi, ndema ukuba ndimomeleze ndimhlanganisele.

2 Ngoku-ke ndiya kukuxelela inyaniso. Yabona, kusaza kusuka kume okumkani abatâtû kuma-Persi, nowesine uya kutyeba ngobutyebi obukûlu kunabo bonke; atî, xa omeleleyo ngobutyebi bakê, abaxôkonxe bonke, baye kulwa nobukumkani bakwa-Yavan.[1]

3 Kusuke kume ukumkani oligoŕa, alaule ngolaulo olukûlu, enze ngokukôleka kuye;

4 Butî, xa atê wesuka wema, buqêkezwe ubukumkani bakê, bahlulelwe emimoyeni yomine yasezulwini, bungabi bobempunde yakê, bungabi njengolaulo lwakê abelaula ngalo; kuba buya kunyotûlwa ubukumkani bakê, bube bobabambî, bungabi bobayo.

5 Ke uya komelela ukumkani wase-Zantsi; omnye kubatêtêli bakê omelele ngapêzu kwakê, alaule; lube lulaulo olukûlu ulaulo lwakê;

6 Badibane ekupêleni kweminyaka; itî intombî yokumkani wase-Zantsi ingene kukumkani wase-Ntla, ukuba balungisane; ke iya kuwa ingalo yayo; angemi yena, nengalo yakê iwe; inikelwe yona nababeyingenisile, nowayizalayo, nowayomelezayo ngalomaxesha.

7 Kopuma-ke ehlumelweni lengcambû zayo osendaweni yakê, aye empini, aye ezinqabeni zokumkani wase-Ntla, azenze ngendawo, eyise;

8 Atîmbê, azise e-Yiputa notîxo babo kunye nemifanekiso yabo etŷidiweyo, kunye nempahla zabo ezinqwenelekayo, i-silvere ne-golide; amise yena iminyaka pâmbi kokumkani wase-Ntla;

9 Angene ebukumkanini bokumkani base-Zantsi, abuyele emhlabeni wakê.

10 Onyana bakê baxôbe, bahlanganise imfidi yempi ezininzi, ize nokuza ikûkûle, idlule, ibuye, balwe bade base enqabeni yakê;

11 Acapûke ukumkani wase-Zantsi, apûme alwe naye, nokumkani wase-Ntla-lowo; yena-ke amise imfidi enkûlu, ke imfidi-leyo inikelwe esandleni sakê;

12 Yotî imfidi yakusuka izipâkamise, awise amawakawaka angamashumi, ke angeyisi noko;

13 Abuye ukumkani wase-Ntla, amise imfidi enkulu ngapêzu kweyokuqala, eze nokuza ekupêleni kwamaxesha eminyaka, enempi enkulu nempahla ezininzi.

14 Ngalomaxesha kusukela pêzulu abaninzi ngakukumkani wase-Zantsi, bazipâkamise onyana abangamanyangaza abantu

[1] Ama-Grike.

[1] Ama-Grike.

Digitized by Google

bakowenu, ukuba bawumise umbono, bakûbeke;

15 Afike ukumkani wase-Ntla, afumbê udonga lokungqinga, ayitîmbe imizi enqatyisiweyo; ingalo zase-Zantsi zingamisi, nabantu bakê abahleliweyo bangabi namandla okuma;

16 Enze ofikayo kôna ngokutânda kwakê, kungabikô umisayo pâmbî kwakê, amise yena ezweni eliligugu, atshabalalise ngesandla sakê,

17 Abubêkise ubuso bakê ekutîni eze enokuqina kobukumkani bakê bonke, ecinga ukulungisa, enze-ke, amnike intombî yabafazi, ukuze ayonakalise; ke ayiyi kuma, ayiyi kuba luto kuye;

18 Ajike, abêkise eziqitini, azitîmbê ezininzi, apêlise abapâtî, kutî-cwaka ukungcikiva kwabo kubo; ke ukungcikiva kwakê baya kukubuyisela kuye;

19 Ajike, abêkise ezinqabeni zelizwe lakê, akûbeke, awe, angafunyanwa.

20 Endaweni yakê kusuke kume ocandisa abaqûbi babantu ebungangamsheni bobukumkani, ngentsuku ezimbalwa apûlwe, kungabi ngemisindo, kungabi ngemfazwe;

21 Endaweni yakê kusuke kume odelekileyo, ongayi kunikwa ndili yabukumkani; eze ngokwalama, abuhlasele ubukumkani ngokunywalaza.

22 Ingalo ezikûkûlayo ziya kukûkûliswa, zimke ebusweni bakê, zapûlwe, kwa nengânga yomnqopîso;

23 Ati, kuseloko akukôv'ukutêlela kuzo, enze ngenkohliso, anyuke, azuze namandla ngohlanga olungepî.

24 Uya kungena ngokwalama nasezindaweni ezityebileyo zelizwe, enze abangakwenzanga oyise noyise boyise. Uya kukwenza amacîti pâkatî kwabo okupângiweyo namaxôba nempahla zazo, acinge ingcinga zakê ngenqaba okwexeshana;

25 Axôkonxele amandla akê nentliziyo yakê ukumkani wase-Zantsi, enempi enkulu; ukumkani wase-Zantsi uya kuxôbela imfazwe, enempi enkulu, encamise ngamandla; ke akayi kuma, kuba baya kuwenza iyelenqe ngaye;

26 Abadla umamkeliso wakê bamapûle, ikûkule impi yakê, bawe ababuleweyo babe baninzi.

27 Okumkani abo babini, intliziyo zabo zitsalele ekwenzeni ububi, batêtê amanga sitêbeni sinye. Akuyi kuba nampumelelo, kuba isipêlo sisaya exesheni elimisiweyo.

28 Wabuyela-ke ezweni lakê enempahla eninzi, intliziyo yakê iwucâse umnqopîso ongcwele, afeze, abuyele-ke ezweni lakê.

29 Ngexesha elimisiweyo uya kubuya aye ngase-Zantsi; ekupêleni kungabi njengoko bekunjalo ekuqaleni;

30 Zize kuye inqanawa zama-Kiti, akôhlwe, abuye, awubâvumele umnqopîso ongcwele, afeze, abuye, abaqonde abashiya umnqopîso ongcwele.

31 Ingalo zakwakê zisuke zime, ziyihlambêle ingcwele, kwa inqaba, zisuse *inkonzo* yamaxesha onke, zimise izinto ezinezotê ezipânzisayo.

32 Abapâtâ umnqopîso ngokungendawo wobahlambêla ngamazwi agudileyo, ke bona abantu abamaziyo u-Tîxo wabo babambelele kuwo, bafeze.

33 Abanengqiqo ebantwini baluqondise uninzi, ukantî baya kukûbeka, bawe ngeŕele nangelangatye, ngokutînjwa nokupângwa intsuku;

34 Ekukûbekeni kwabo, bancedwe ngoncedo oluncinane, batêlele kubo abaninzi, benyŵalaza.

35 Ikûbeke inxenye yabanengqiqo, ukuze bacikidwe pâkatî kwabo, bahlanjululwe, kwenziwe mhlope, kude kube lixesha lokupêla; kuba kusaya kuba ngokwexesha elimisiweyo.

36 Ukumkani uya kwenza ngokukôleka kuye, azinyuse, azikûlise ngapêzu kotîxo bonke, atêtê amazwi abalulekileyo ngoTîxo wotîxo, abe nempumelelo lude lupêle ubâvumo; ngokuba kuyenzeka okumisiweyo kwagqitywa;

37 Angabaqondi otîxo boyise, nokunqwenelekayo kubafazi, notîxo ongowumbî angamqondi, kuba uya kuzikûlisa ngapêzu kwabo bonke;

38 Endaweni yabo azukise utîxo wenqaba; utîxo ababengamazi oyise, amzukise nge-golide, nange-silvere, nangamatye anqabileyo, nangezinto ezinqwenelekayo;

39 Akwenzele oku inqaba ezinqatyisiweyo ngotîxo wolunye uhlanga; lo umbukayo, amandisele uzuko, ampâtîse abaninzi, amabele umhlaba ngokumvuza.

'40 Ngexesha lokupêla ahlabane nokumkani wase-Zantsi; ukumkani wase-Ntla adlongozele aye kuye, enenqwelo zokulwa nabamahashe, nenqanawa ezininzi, awangenele amazwe, akûkûle, adlule;

Digitized by Google

41 Angene ezweni eliligugu, bakûbeke abaninzi; ke aba baya kusinda esandleni sake: o-Edom no-Mowabi nentlahlela yonyana baka-Amon;

42 Asolulele isandla sakê emazweni-la, nelizwe lase-Yiputa aliyi kusinda;

43 Abe ngumpâtî wobutyebi be-golide ne-silvere, nobezinto zonke ezinqwenelekayo zase-Yiputa; emlandela ama-Libi nama-Kushi;

44 Zimkwanqise indaba ezivela empumalanga nase-Ntla, apûme enobushushu obukûlu, ukuze abatshabalalise abasingele pântsi abaninzi;

45 Azitwabulule in-tente zebôtwe lakê pâkatî kwelwandle, ngasentabeni engcwele eliligugu, afike-ke ekupêleni kwakê, kungabikô umncedayo.

12 Ngeloxesha uya kusuka eme u-Mikayeli, umtêtêli omkûlu omela onyana babantu bakowenu; kubekô ixesha lembândezelo, elingezanga libekô elinjalo kususela koko lwabakôyo uhlanga kude kube nangeloxesha; ngeloxesha baya kusinda abantu bakowenu, bonke abafunyenwe, bebâliwe encwadini.

2 Kuya kuvuka abaninzi kwâbalcleyo elutûlini lomhlaba: aba baye ebomini obungunapâkade, naba baye kwingcikivo nakwinyumnyezi engunapâkade;

3 Abo-ke banengqiqo bakâzimle njengokukâzimla kwesibâkabâka; nababajikela abaninzi ebulungiseni bakâzimle njengenkwenkwezi ngonapâkade kanapâkade.

4 Wena-ke Daniyeli, wayalele amazwila, yitywine incwadi kude kube lixesha lokupêla. Baninzi abaya kuyipêngulula, kwandiswe ukwazi.

5 Mna Daniyeli ndabona: nabo abanye ababini bemi, omnye nganeno ngaseludinini lomlambô, nomnye ngapêsheya ngaseludinini lomlambô.

6 Watî omnye kwindoda-leyo yambêtê i-linen emhlope, ebipêzu kwamanzi omlambô, Koda kube ninina ukupêla kwezizinto zibalulekileyo?

7 Ndeva indoda eyambêtê i-linen emhlopê, ebipêzu kwamanzi omlambô; yasipâkamisela ezulwini isandla sayo sokunene nesokôhlo sayo, yafunga ohleli ngonapâkade, isitî, Kuya kusa exesheni, emaxesheni amabini amisiweyo naseqingatêni sexesha; kwakupêliswa ukuhlekezwa kwamandla abantu abangcwele, ziya kupeliswa zonke ezonto.

8 Mna-ke ndeva, andaqonda; ndatî, Nkosi yam, yiyipîna eyokupêla kwezizinto?

9 Yatî, Hambâ, Daniyeli, kuba amazwi aya kuvalelwa, atywinwe kude kube lixesha lokupêla.

10 Abaninzi baya kuzenza nyulu, bazenze mhlope, banyibilikiswe, ke abangendawo baya kwenza okungendawo, abangendawo bonke abayi kukuqonda oko; kodwa abanengqiqo baya kukuqonda.

11 Kususela kweloxesha kwasuswayo *i-nkonzo* yamaxesha onke, ukuze zimiswe izinto ezînezotê ezipânzisayo: zintsuku eziliwaka, elinamakûlu amabini, anamanci asitôba.

12 Unoyolo olinde wafika kwintsuku eziliwaka, elinamakûlu amatâtû, anamanci matâtû anesihlanu.

13 Wena-ke, hambâ uye ekupêleni; uya kupûmla uvuke uye eqashisweni lakô ekupêleni kwemihla.

U-HOSEYA.

ISIQENDU I.

ILIZWI lika-Yehova elafika ku-Hoseya unyana ka-Beri, ngemihla ka-Uziya, ka-Yotam, ka-Ahazi, ka-Hezekiya, okumkani bakwa-Yuda, ngemihla ka-Yarobeham unyana ka-Yowashe, ukumkani wakwa-Sirayeli.

2 Ukuqala kokutêtâ kuka-Yehova no-Hoseya, watî u-Yehova ku-Hoseya, Yiya uzeke umfazi wobuhenyu nabantwana bo-

Digitized by Google

buhenyu; ngokuba ilizwe lihenyuze kakûlu, layeka ukumlandela u-Yehova.

3 Waya-ke, wazeka u-Gomere intombî ka-Dibelayim; wakâula, wamzalela unyana.

4 U-Yehova watî kuye, Mtîye igama lokuba ngu-Yizereli; ngokuba kusaya kuba ngumzuzwana, ndiwavelele amagazi akwa-Yizereli kwindlu ka-Yehu, ndibupêlise ubukumkani bendlu ka-Sirayeli;

5 Kutî ngalomini ndisapûle isapêtâ sakwa-Sirayeli entilini yase-Yizereli.

6 Wapînda wakâula, wazala intombî. Watî u-Yehova kuye, Yitîye igama lokuba ngu-Akenzelwanga-mfesane; ngokuba andikuba sapînda ndiyenzele mfesane indlu ka-Sirayeli, ndingabaxoleli nokubaxolela.

7 Ndiya kuyenzela imfesane-ke indlu ka-Yuda, ndibasindise ngo-Yehova u-Tîxo wabo, ndingabasindisi ngasapetâ, nangařele, nangamfazwe, ngamahashe, nangabamahashe.

8 Akumlumla-ke u-Akenzelwanga-mfesane; wakâula, wazala unyana.

9 Watî u-Yehova, Mtîye igama lokuba ngu-Asibantu-bam; ngokuba aningabantu bam, nam andiyi kuba ngowenu.

10 Ke inani lonyana baka-Sirayeli liya kuba ngangentlabati yaselwandle, engalinganiswayo, engabalwayo; kutî endaweni yokuba kutîwe kubo, Aningabantu bam, kusuke kutîwe kubo, Ningonyana baka-Tîxo opîlileyo;

11 Bahlanganisane ndawo-nye onyana baka-Yuda nonyana baka-Sirayeli, bazimisele intloko ibe nye, banyuke bapûme kwelozwe; kuba iya kuba nkulu imini yase-Yizereli.

2 Yitîni kubazalwana benu, Wenani! Bantu-bam; nitî kodade benu, Wa! Menzelwa-mfesane.

2 Bambânani nonyoko, bambânani naye; kuba akamfazi wam, andindoda yakê; nitsho asuse ubuhenyu bakê ebusweni bakê, nokuřexeza kwakê pâkatî kwamabele akê;

3 Hleze ndimhlube abe zé, ndimmise enjengamini wazalwa, ndimenze abe njengentlango, ndimmise abe njengelizwe elingumqwebedu, ndimbulale ngenxano;

4 Ndingasikwa mfesane ngenxa yabantwana bakê; kuba bengabantwana bobuhenyu bona.

5 Kuba unina uhenyuzile, wenze okuzintlondi umzali wabo; ngokuba watî, Ndiya kulandela izitândane zam ezindinika isonka sam, namanzi am, uboya bambegusha ne-falakisi yam, i-oli yam nento endiyiselayo.

6 Ngako oko yabona, ndiya kuyibiyela indlela yako ngameva, ndakê udonga, angawufumani umendo wakê;

7 Azisukele izitândane zakê, angafiki kuzo; azifune, angazifumani, atî, Ndiya kuya, ndibuyele endodeni yam yokuqala; kuba bekulungile kum oko kunangoku.

8 Akazi ukuba ndim owamnikayo inqôlowa, ne-wayini entsha, ne-oli, ndamandisela i-silvere ne-golide, abasuka bayenzela u-Bahali.

9 Ngako oko ndiya kubuya, ndiyitâbatê inqôlowa yam ngexesha layo, ne-wayini yam entsha ngexesha layo elimisiweyo, ndibuhlute uboya begusha, ne-falakisi yam yokugubungela ubuzé bakê;

10 Ngoku-ke nditŷile amanya akê emehlweni ezitândane zakê, kungabikô bani umhlangulayo esandleni sam;

11 Ndilupêlise lonke uvuyo lwakê, umtêndeleko wakê, nokutŵasa kwenyanga kuye, ne-sabatâ zakê, namaxesha akê onke amisiweyo;

12 Ndiyibařise imi-diliya yakê, nemikîwane yakê, abesitî yena, Lutsheqo lwam olu endalunikwayo zizitândane zam; ndiyenze ibe lihlatî, idliwe zinyamakazi zasendle;

13 Ndimvelele ngenxa yemihla yo-Bahali, abeqûmisela ngayo kubo; abezihombîsa ngamagabâ akê empumlo, nesambâlo sakê, abelandela izitândane zakê, andilibale mna, utsho u-Yehova.

14 Ngako oko yabona, ndiya kumŵebesha, ndimse entlango nditêtê kakuhle naye;

15 Ndimnike izi-diliya zakê, zitâbatêle kôna, nentili ye-Akore ibe lisango letêmbâ, apêndule kôna njengemini zobuncinane bakê, nanjengemini yokunyuka kwakê, epûma ezweni lase-Yiputa;

16 Kutî ngalomini, utsho u-Yehova, ubize ngokutî, Ndoda yam, ungabi sandibiza ngokutî, Bahali wam;

17 Ngokuba ndiwasusa amagama o-Bahali emlonyeni wakê, bangabi sakûnjulwa ngamagama abo.

Digitized by Google

18 Ngalomini ndobenzela umnqopíso namaƒammcwa asendle, nentaka zezulu, nezinambûzane zomhlaba; ndapûle isapetâ neƒele nemfazwe, ezonto zingabikô ezweni, ndibahlalise bekôlosile;

19 Ndikugane ube ngowam ngonapâkade, ndikugane ube ngowam ngobulungisa nangokusesikweni, nangenceba nangemfesane;

20 Ndikugane ube ngowam ngokutêmbêka, umazi u-Yehova.

21 Kutî ngalomini, ndipêndule, utsho u-Yehova; ndiya kuwapêndula amazulu, wona apêndule umhlaba;

22 Umhlaba upêndule inqôlowa, ne-wayini entsha, ne-oli; ezonto zipêndule u-Yizereli;

23 Ndizihlwayelele yena elizweni, ndimenzele imfesane u-Akenzelwanga-mfesane, nditî ku-Asibantu-bam, Ungabantu bam; aze atî kum, Ungu-Tîxo wam.

3 Watî u-Yehova kum, Pînda, uye, utânde umfazi, etândwa nguwabo, eƒexeza: njengoko u-Yehova abatândayo onyana baka-Sirayeli, bebêka tîxweni bambî-nje betânda izicumbâ ze-rasintyisi.

2 Ndamtênga wangowam ngeshumi elinesihlanu le-silvere, ne-homere ye-ƒasi neleteke [1] ye-ƒasi.

3 Ndatî kuye, Uz'uhlalele mna imihla emininzi, ungahenyuzi, ungabi wandoda yimbî; nam ndenje njalo kuwe.

4 Ngokuba onyana baka-Sirayeli baya kuhlala imihla emininzi benge nakumkani, benge namtêtêli, benge nambingelelo, benge nasimiso samatye, benge na-efodi namilonde-kâya.

5 Emveni koko baya kubuya onyana baka-Sirayeli, bamfune u-Yehova u-Tîxo wabo, no-Davide ukumkani wabo; baye benkwantya ku-Yehova, nasekulungeni kwakê ekupêleni kwemihla.

4 Yivani ilizwi lika-Yehova, nyana baka-Sirayeli; ngokuba u-Yehova ubambêne nabemi belizwe-eli; ngokuba kungekô nyaniso, kungekô nceba, kungekô kwazi u-Tîxo kwelilizwe.

2 Kukushwabula nokuxoka, nokuncintâ, nokubâ, nokuƒexeza; bagqobozile, igazi lipâtêlele kwigazi.

3 Ngenxa yoko ilizwe lenza isijwili, zitôkombîsile zonke izinto ezimi kulo; izinto ezipîlilleyo zasendle, nentaka zezulu, kwa nentlanzi zolwandle ziyasuswa.

4 Kodwa makangabambâni omnye nomnye, omnye makangamohlwayi omnye; abantu bakowenu banjengobambêne nomenzeleleli.

5 Wokûbeka emini, um-profeti enawe akûbeke ebusuku, ndimtshabalalise unyoko.

6 Bayatshabalala abantu bam kuswela ukwazi; kuba wena ukucekisile ukwazi, ndiya kukucekisa, ukuba ungabi ngumenzeleleli ' kum. Wawulibala umyalelo ka-Tîxo wakô, ndobalibala abantwana bakô nam.

7 Okukôna bandileyo, kokukôna bônileyo kum; uzuko lwabo ndiya kulwananisa ngocukucezo.

8 Badla *idini* lesono labantu bam; umpêfumlo wabo bawupâkamisela ebugwenxeni babo.

9 Kutî, njengoko banjalo abantu, abe njalo umenzeleleli '; ndizivelele indlela zakê kuye, ndizibuyisile kuye intlondi zakê;

10 Badle bangahluti; bahenyuze bangandi; ngokuba bekuyekile ukumpûlapûla u-Yehova.

11 Uhenyuzo, ne-wayini, ne-wayini entsha ziwexula intliziyo.

12 Abantu bam babuzisa kumtî wabo; nentonga yabo iyabaxelela; ngokuba umoya wobuhenyu ubalahlekisile, bahenyuze, bemka pantsi ko-Tîxo wabo.

13 Babingelela ezincotsheni zentaba, baqûmisela ezindulini pântsi kwemi-oki nemi-popelare nemikôba, kuba ulungile umtûnzi wayo; ngenxa yokô ziyahenyuza intombî zenu, bayaƒexeza omolokazana benu.

14 Andiyi kuzivelela intombî zenu, ngokokuba zihenyuza, nomolokazana benu, ngokokuba beƒexeza; ngokuba nina ngokwenu nitî-gubucala namahenyukazi, nibingelela neñawukazi lendawo engewele; ngoko-ke abantu abangaqondiyo baya kukâhleleka pântsi.

15 Ukuba uyahenyuza, Sirayeli, makangazek' ityala u-Yuda; musan' ukuya e-Giligali, ningenyuki niye e-Betaven, ningafungi nitî, Ehleli nje u-Yehova.

16 Kuba u-Sirayeli uyinjubaqâ njengetôkazi eliyinjubaqa; ngoku u-Yehova uya

[1] I-leteke isiqingatâ e-homera.

[1] Umbingeleli kwi-Testamente entsha, ngokunye umpriste.

Digitized by Google

kubalūsela empângalaleni njengamatâkane.

17 U-Efrayim ubopêne nezitîxo; myekeni.

18 Igabadele imitâyi yabo; bahenyuza behenyuzile, zilutânde nzulu ucûkucezo ingweletshetshe zabo.

19 Umoya umbambîle ngamapîko awo, badanile yimibingelelo yabo.

5 Kuveni oku, benzeleleli, nibaze indlebe, nina ndlu ka-Sirayeli, nani ndlu kakumkani, bekani indlebe, ngokuba uze kuni umgwebo lo; kuba nisuke naba ngumgibe e-Mitspa, nangumnatâ otwatyululweyo pêzu kwe-Tabore.

2 Banxôkile ukonakalisa ekunxaxêni kwabo; ke ndiyintetîso kubo bonke bepêla.

3 Mna ndiyamazi u-Efrayim, no-Sirayeli akagushiwe kum; ngokuba uhenyuzile ngoku, wena Efrayim, u-Sirayeli uzenze inqambî.

4 Izenzo zabo azivumi ukuba babuyele ku-Tîxo wabo; kuba umoya wobuhenyu ukubo, abamazi u-Yehova.

5 Iqâyiya lika-Sirayeli liyanqîna ebusweni bakê; bokûbeka o-Sirayeli no-Efrayim ngobugwenxa babo; wokûbeka nabo kwa no-Yuda.

6 Baya kuya kumfuna u-Yehova, benempahla yabo emfutshane nenkomo zabo, bangamfumani; ufoxile kubo.

7 Banginiza ku-Yehova, kuba bezele onyana abange ngabo; ngoku-ke ukutwasa kwenyanga kuyabadla kunye nezahlulo zabo *zomhlaba*.

8 Vutêlani izigodlo e-Gibeha, nexilongo e-Rama; wuhlabeni e-Betaven, nitî, Emva kwakô, Benyamin.

9 Kuya kuba senkangala kwelakwa-Efrayim ngemini yokohlwaya; ezizweni zakwa-Sirayeli ndisazisile isimakade sesibetô.

10 Abatêtêli bakwa-Yuda basuke baba njengabashenxisi bomda; ngoko-ke ndopâlaza pêzu kwabo ubushushu bam njengamanzi.

11 U-Efrayim uyacudiswa, uyavikiveka ngumgwebo; kuba usuke wavuma ukulandela umtêtô *wabo*.

12 Mna ndinjengenundu kwa-Efrayim, ndinjengombungu kwindlu ka-Yuda.

13 Xa wasibonayo u-Efrayim isifo sakê, u-Yuda walibona inxeba lakê; u-Efrayim wesuka waya kwa-Asuri, watûmela kukumkani u-Yarebi[1]; akabi nako ukumpîlisa, akabi nako ukuninceda kwinxeba lenu.

14 Ngokuba ndinjengengonyama kwa-Efrayim, ndinjengengonyama entsha kwindlu ka-Yuda. Mna, mna ndiyaqwenga, ndimke, nditîmbê, kungabikô mhlanguli.

15 Ndiya kuhambâ, ndibuyele endaweni yam, bade beve benetyala, babufune ubuso bam. Ekubandezelekeni kwabo baya kundifuna benyamekile; batî:

6 Yizani sibuyele ku-Yehova; kuba eqwengile, wosipîlisa; uxabele, wosibopâ;

2 Wosidlisa ubomi, kwakuba ntsuku mbîni; wosipâkamisa ngolwesitâtû, sidle ubomi pâmbî kwakê.

3 Masikwazi-ke, masikusukele ukumazi u-Yehova; ukupuma kwakê kuqinisekile njengokupûma kwesifingo, ukuba eze kutî njengemvula, njengemvula evutisayo, elinyakamisayo ilizwe.

4 Mandikutî-nina, Efrayim? mandikutînina, Yuda? Utândo lwenu lunjengelifu lomso, lunjengombetê opêla kwakusasa.

5 Ngenxa yoko ndibaxozile ngaba-profeti, ndababulala ngamazwi omlomo wam; ukuze umgwebo wam upûme njengokukânya.

6 Ngokuba *ndinonelele* utândo, andinonelele mbingelelo; *ndinonelele* ukwazi u-Tîxo ngapêzu kwamadini anyukayo.

7 Ke bona bawugqitîle umnqopîso njengo-Adam, banginiza kum apô.

8 E-Giliyadi ngumzi wabasebenzi bobutshinga, uzele yimikôndo yegazi.

9 Bunjengokulalelwa kwendoda ngamatutu ubudlelane babenzeleleli; bayancinitâ endleleni eya kwa-Shekem, ewe benze amanyala.

10 Endlwini ka-Sirayeli ndibone into ebanga amanwele, apo u-Efrayim uyahenyuza, u-Sirayeli uzenza inqambî.

11 Kananjalo wena Yuda, umiselwe uvuno, ekukubuyiseni kwam ukutînjwa kwabantu bam.

7 Ekumpîliseni kwam u-Sirayeli, kusuke kutŷileke ubugwenxa buka-Efrayim nobubi bakwa-Samari; kuba besebenza u-

[1] Umlwi.

Digitized by Google

buxoki, isela lingene, amatutu abunyule ngapândle;

2 Abatsho entliziyweni yabo, ndobukûmbûla bonke ububi babo; ngoku zibangqongile intlondi zabo; zabakô pâmbi kobuso bam.

3 Bamvuyisile ukumkani ngento zabo ezimbi, nabatêtêli ngokuxoka kwabo.

4 Bonke bepêla bangabarexezi, banjenge-bâkonti ebaselwe ngumoji-zonka, okê ayeke ukukwezela ekuxovulweni kwentlama, ide ibiliswe.

5 Ngemini yokumkani wetû abatêtêli bazixâyele isifo ngobushushu be-wayini; utâbatêne nabagxeki.

6 Ngokuba bayisondeze intliziyo yabo emlaleleni wabo, ngati kuse-bâkontini; bonke ububusuku ulele umoji-zonka wabo, kusasa yona ivutâ njengomlilo olenyayo.

7 Bonke bepêla bashushu njenge-bâkonti, bayabadla abagwebi babo; bonke okumkani babo bawile; akukô namnye kubo undinqulayo.

8 U-Efrayim yena uzekazekana nezizwe; u-Efrayim uliqebengwana lezonka elingaguqulwanga.

9 Abasemzini bawadlile amandla akê, ukanti yena akazi; nezimvi zitê-sa kuye, noko akazi yena.

10 Iqâyiya lika-Sirayeli liyanqîna ebusweni bakê; noko ababuyeli ku-Yehova u-Tixo wabo, abamfuni kuko konke oku.

11 U-Efrayim unjengehobe elimatlleyo, elinge nantliziyo; babiza i-Yiputa, baya kwa-Asuri.

12 Ndoti bakubon'ukuba bayaya, ndi-twabulule pêzu kwabo umnatâ wam; ndibatôbe njengentaka zezulu; ndiya kubatêtisa ngokw*endaba* endazivakalisayo ebandleni labo.

13 Yeha-ke bona! kuba babalekile kum; yimbûbô kubo! kuba barêqile kum; mna ngendibakûlule, basuka bona batêtâ amanga ngam.

14 Abakâlanga kum ngentliziyo zabo, basuka bamana bebômbôloza ezililini zabo; baqukana ngenxa yenqôlowa ne-wayini entsha, bapâmbûka bandicâsa.

15 Mna ndiziqeqeshile, ndazomeleza ingalo zabo; ke bona bacinga ububi ngam.

16 Bayabuya, kodwa ababuyeli pêzuku; banjengesapêta esityeketyeke. Baya kuwa ngerele abatêtêli babo ngenxa yobâvumo lolwimi lwabo. Oko kukugculelwa kwabo ezweni lase-Yiputa.

8 Beka isigodlo emlonyeni wakô. *U-tshaba* luyifiwula indlu ka-Yehova njengokôzi; ngenxa yokuba bewugqitile umnqopiso wam, barêqa kumyalelo wam.

2 Baya kukâla kum, bati, Tixo wetû, siyakwazi, tîna Sirayeli.

3 Iyanuka ku-Sirayeli into elungileyo; utshaba malumsukele.

4 Bamise okumkani, bengaveli kum; benze abatêtêli, ndingazi mna; i-silvere yabo ne-golide yabo bayenze izitixo, ukuze inqanyulwe.

5 Itôle lakô liyanuka, Samari; umsindo wam uyavutâ kubo; kunimina bengakwazi ukuzipâtâ msulwa?

6 Ngokuba nalo elo lipûma kwa-Sirayeli; lenziwe yincibi, ali-Tixo lona; ke liya kucoleka itôle lakwa-Samari.

7 Ngokuba behlwayele umoya, baya kuvuna isaqwiti; akukô zimbâ kuwo; isitômbô asenzi sikwebu; nokuba besitê sanaso, besiya kudliwa ngabasemzini.

8 Uginyiwe u-Sirayeli; ngoku basezintlangeni njengempahla enganantziweyo;

9 Kuba bona benyuka baya kwa-Asuri; njenge-esile lasendle lihambâ liyodwa lahlukile; ke yena u-Efrayim uziqeshile izitândane.

10 Nakuba beqesha nokuqesha ezintlangeni, ndiya kubabutâ ngoku, baqale bancipê ngenxa yomtwalo wokumkani wabatêtêli.

11 Kuba u-Efrayim uzandisile izibingelelo zokôna, kuye izibingelelo zaba zezokôna.

12 Ndimbâlela into eninzi yemiyalelo yam; baba yinto engento.

13 Imibingelelo yezipô zam bayibingelela, bayidla ngokwenyama; ke ayakôleka ku-Yehova; ngoku-nje uya kubukûmbûla ubugwenxa babo, azivelele izono zabo: baya kubuyela bona e-Yiputa.

14 Kuba u-Sirayeli wamlibala u-Menzi wakê, waka amabôtwe; u-Yuda wayandisa imizi enqatyisiweyo; ndiya kutûmela umlilo emizini yakê, uzidle ingxande zakê ezinde.

9 Mus'ukuvuya, Sirayeli, ude ugcobe njengezizwe; ngokuba uhenyuzile

Digitized by Google

wemka ku-Tixo wakô, utânde utsheqo ezandeni zonke zenqôlowa.

2 Isandá nesixovulelo se-oli asiyi kubondla, ne-wayini entsha iya kwenza inkwalambesa.

3 Abayi kuhlala ezweni lika-Yehova; u-Efrayim uya kubuyela e-Yiputa, badle izinto eziyinqambî kwa-Asuri.

4 Abayi kumtûlulela u-Yehova i-wayini, ayi kuba mnandi kuye nemibingelelo yabo; ukudla kwabo kubo kuya kuba njengesonka sabalilayo; bonke abakudlayo baya kuba zinqambî; ngokuba ukudla kwabo kuya kuba kokwabo, akuyi kungena endlwini ka-Yehova.

5 Notî-nina ngemini yexesha elimisiweyo, nangemini yomtêndeleko ka-Yehova?

6 Kuba yabonani, bemkile ngenxa yembûqo; i-Yiputa iya kubabutâ, i-Mofu[1] iya kubangcwaba; izinto zabo ezinqwenelekayo ze-silvere ziya kuhlutwa ngamafawu, yimitî enameva ezin-tenteni zabo.

7 Kufike imini zokuvelela, kufike imini zempindezelo; uya kwazi u-Sirayeli; umprofeti sisimatâne, ngumbudi indoda enomoya, ngenxa yobukûlu bobugwenxa bakô nokutshutshisa okuninzi.

8 Ngumboniseli u-Efrayim ngaku-Tixo wam; um-profeti ngumgibe womtîyeli ezindleleni zakê zonke, uyintshutshiso endlwini yo-Tixo wakê.

9 Batshonisile ukonakalisa kwabo njengokwemihla yase-Gibeha; uya kubukûmbûla ubugwenxa babo, uya kuzivelela izono zabo.

10 Ndamfumana u-Sirayeli enjenge-diliya entlango; ndababona oyihlo benjengamakîwane aqalelayo emkîwaneni ekuqaleni kwawo; basuka bona baya ku-Bahalipehore, bazahlulela entweni ezintloni, baba yinto enezotê njengesitândane sabo.

11 U-Efrayim—uzuko lwakê luya kubaleka, lumke njengentaka; kungabikô kuzala, nakumitâ, nakukâula.

12 Ewe, nokuba batê bakûlisa onyana: ndobahluta abantwana, kungabikô luntu. Yeha-ke kubo-ke, ekusukeni kwam kubo.

13 Ngoko ndazibonela u-Efrayim, ukube abe yi-Tire, etyelwe eriweni, kodwa u-Efrayim uya kubakûpêla kumbulali onyana bakê.

14 Banike, Yehova; wobanika nto-nina? banike isisu esipûmayo namabele omileyo.

15 Bonke ububi babo buse-Giligali; kuba ndaqala ukubatîya kôna; ngenxa yobubi bentlondi zabo ndiya kubagxotâ endlwini yam; andiyi kupinda ndibatânde; bonke abatétêli babo bazinjubaqa.

16 Ubetîwe u-Efrayim, ingcambû yabo yomile; abayi kuxakatâ siqâmo; nokuba batê bazala: ndozibulala into ezinqwenelekayo zesisu sabo.

17 U-Tixo wam uya kubacekisa, kuba bengampûlapûlanga; baya kupâlapâla ezintlangeni.

10 U-Sirayeli ngum-diliya onabileyo, wazixakatêla iziqâmo. Okukôna waba neziqâmo, kokukôna wandisa izibingelelo; okukôna lalungayo ilizwe lakê, kokukôna walungisa izimiso zamatye.

2 Yaba butêlezi intliziyo yabo; ngoku baya kuva benetyala; uya kuziqêkeza izibingelelo zabo, azibûqe izimiso zabo zamatye.

3 Ewe ngoku baya kutî, Asinakumkani; kuba asimoyikanga u-Yehova; nokumkani lowa, uya kusenzela nto-nina?

4 Batétê amazwi-nje, bashwabula ngenkohlakalo, benza iminqopîso; kwahluma okusesikweni njengobuhlungu emiqeleni yesisimi.

5 Abemi bakwa-Samari banxungupêle ngomfanekiso wetôle lase-Betaven; ewe benza isijwili ngalo abantu balo, batutûmele abenzeleleli balo abange ngabo ngenxa yalo, ngenxa yozuko lwalo, kuba lufudukile kulo.

6 Liya kusiwa kwa-Asuri nalo, libe ngumnikelo kukumkani u-Yarebi; u-Efrayim uya kubanjwa kukudana, adane u-Sirayeli ngenxa yecebo lakê.

7 Ke elakwa-Samari, ukumkani walo udakile, unjengeceba pêzu kwamanzi.

8 Izigânga zase-Aven, isono sika-Sirayeli zitshabalalo. Kuya kuhluma imitâna enameva nenkunzane ezibingelelweni zabo, batî kwintaba, Siseleleni, nakwinduli, Siweleni.

9 Kususela kwimihla yase-Gibeha, Sirayeli, wôna; bahlala kôna; akubafikelanga e-Gibeha ukulwa nonyana bobugqwetâ.

10 Ndiya kubatêtîsa-ke ngokomnqweno wam, zibahlanganyele zonke izizwe, ekubotshelelweni kwabo ebugwenxeni babo bobubini.

11 U-Efrayim litôkazi eliqeqeshiweyo, elitânda ukubûla; mna-ke ndibeke i-dyo-

[1] i-Memfi.

Digitized by Google

kwe entanyeni yalo entle. Ndiyamtsalisa u-Efrayim; u-Yuda uya kulima, u-Yakobi uya kuziqwakanisela.

12 Zihlwayeleleni, ukuba kuvele ubulungisa, vunani ngokwenceba; zikûbeleleni umkûbelo, ekubeni ilixesha lokumfuna u-Yehova, ade afike aninisele ubulungisa.

13 Nalima okungendawo, navuna ubugqwetâ, nadla iziqâmo zenkwalambesa; kuba wakôlosa ngendlela yakô, ngobuninzi bamagofa akô.

14 Kuya kuvuka ingxolo pâkatî kwezizwe zakowenu, zibûqwe nenqaba zakô zonke, njengoko u-Shaleman wayibûqayo i-Bete-arbele ngemini yemfazwe; kwacunyuzwa onina kunye nonyana.

15 Iya kwenje njalo kuni i-Beteli ngenxa yobubi bento zenu ezimbî; kwa ngesifingo uya kusingelwa pântsi, upêle ukumkani wakwa-Sirayeli.

11 Oko u-Sirayeli ebe mncinane, ndamtânda, ndambiza unyana wam ukuba apûme e-Yiputa.

2 Bababiza, kwakukôna bemkayo ebusweni babo; babingelela ko-Bahali, baqûmisela kwimifanekiso eqingqiweyo.

3 Mna-ke ndamfundisa u-Efrayim ukuhambâ; ndibapâtâ ngengalo zam; abazanga *noko* ukuba ndabapîlisa.

4 Ndabatsala ngezintya zomntu, ngentsontelo zotândo; kubo ndaba njengomnyinyisi we-dyokwe emihlatîni yabo, ndatântamisa ukumnika ukudla.

5 Akayi kubuyela ezweni lase-Yiputa; ngu-Asuri ukumkani wakê; kuba abavumanga ukubuya.

6 Irele liya kuyijikeleza imizi yakê, liyigqibele imivalo yakê, liyidle ngenxa yamacebo abo.

7 Abantu bam bapîkele ukubuya umva kum; nakuba bebizelwa pêzulu, abazipâkamisi mpela.

8 Ndingatî-nina ukukulahla, Efrayim? ndikuncame, Sirayeli? Ndingatî-nina ukukulahla njenge-Adama, ndikwenze ube njenge-Tseboyim? Intliziyo yam ipêtûkile pâkatî kwam, ububele bam buvutîle kunye.

9 Andiyi kukwenza ukuvutâ komsindo wam, andiyi kubuye ndimonakalise u-Efrayim; ngokuba ndingu-Tîxo, andinntu; nding-Oyingcwele pâkatî kwakô; andizi ndishushu ngumsindo.

10 Baya kumlandela u-Yehova; uya kubâfula njengengonyama; kuba yena uya kubâfula, bavele entshonalanga onyana begubâ.

11 Baya kuvela e-Yiputa, begubâ njengentaka, bavele ezweni lakwa-Asuri njengamahobe, ndibabeke ezindlwini zabo, utsho u-Yehova.

12 U-Efrayim undifaule ngobuxoki indlu ka-Sirayeli ngenkohliso; no-Yuda usengumqâtu ku-Tîxo, k-Oyingcwele onyanisileyo.

12 U-Efrayim wasukelana nomoya; usukela ulopû lwasempumalanga; imini yonke wandisa amanga nembûqo; banqopîsana no-Asuri, kusiwa i-oli e-Yiputa.

2 U-Yehova ubambêne no-Yuda, umvelela u-Yakobi ngokwendlela zakê; uya kumbuyisela ngokwentlondi zakê.

3 Esizalweni wambambâ umkuluwa wakê ngesitênde, ekuqineni kwakê wazamana no-Tîxo.

4 Wazamana naso isitûnywa, wafeza, walila, watafuzisa kuso, samfumana e-Beteli, apô-ke sasitêtâ natî,

5 U-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, u-Yehova sikûmbûzo sakê.

6 Wena-ke buyela ku-Tîxo wakô; gcin' inceba nokusesikweni, uhlale utêmbêle ku-Tîxo wakô.

7 Ngumfwebi opêtê izikali zenkohliso, utânda ukucudisa.

8 Watî u-Efrayim, Noko ndisityebi, ndizifumanele ubutyebi; yonke imigushanxa yam ayindizuzisanga bugwenxa busisono.

9 Kanti mna ndingu-Yehova u-Tixo wakô-nje kwasezweni lase-Yiputa; ndisayo kukubeka ezin-tenteni njengokwemihla yomtêndeleko.

10 Nditêtê kuba-profeti, ndandisa imibono mna, ndenza imizekeliso ngezandla zaba-profeti.

11 Ukuba i-Giliyadi ilitshinitshini, yoba yinto engento kupêla; babingelela inkomo e-Giligali; izibingelelo zabo nazo zoba njengemfumbâ zamatye emiqeleni yesisimi.

12 U-Yakobi wabalekela ezweni lakwa-Aram, u-Sirayeli wakônza ngenxa yomfazi, wagcina *imihlambî* ngenxa yomfazi.

13 U-Yehova wamnyusa u-Sirayeli e-

Digitized by Google

Yiputa ngom-profeti-ke, wagcinwa ngom-profeti-ke.

14 U-Efrayim uqumbîse kaŕaŕa; i-Nkosi yakê iya kuwapôsa amagazi akê pézu kwakê, isibuyisele kuye isingcikivo sakê.

13 Watî akutêtâ u-Efrayim, kwabakô ukwetûka; wapâkama yena kwa-Sirayeli, wesuka wazeka ityala ngo-Bahali, wafa.

2 Ngoku bongeza ukôna, bazenzela imifanekiso etŷidiweyo nge-silvere yabo, *bazenzela* izitîxo njengokuqonda kwabo, ingumsebenzi wencîbi wonke upêla; ababingelelayo baseluntwini, batî ngayo, bawanga amatôle.

3 Ngako oko baya kuba njengelifu lomso, nanjengombetê opêla kwakusasa, njengomququ opêtshetŵa sisaqwitî esandeni, nanjengomsi opûma ngeŕoba.

4 Kanti mna ndingu-Yehova u-Tîxo wakô kwasezweni lase-Yiputa; akuyi kwazi tîxo unge ndim, ukuba akukô namnye umsindisi ngapandle kwam.

5 Mna ndakwazi entlango, ezweni lasekubaleleni.

6 Batî bakudliswa, bahlute; bakuhluta, yapâkama intliziyo yabo; ngenxa yoko bandilibele.

7 Ngoko ndaba njengengonyama kubo, ndabalalela njengengwe endleleni.

8 Ndotî-gaga kubo njenge-bere ehlutwe amatôle ayo, ndiwuŕazule umhlehlo wentliziyo yabo, ndibadle kôna njengengonyamakazi; amaŕamncwa asendle aya kubadlavula.

9 Uzonakalisile, Sirayeli, ngokundicâsa kwakô, mna luncedo lwakô.

10 Upîna ngoku ukumkani wakô ukuba angakusindisi emizini yakô yonke? bapîna ngoku-nje abagwebi bakô abo, watî, Ndinike ukumkani nabatêtêli?

11 Ndikunika okumkani ndinomsindo, ndibatâbatê ngokupûpûma kwawo.

12 Bubotshiwe *ngenxôwa* ubugwenxa buka-Efrayim, sibekiwe isono sakê.

13 Inimbâ zozalayo ziyamzela; ungunyana onge nabulumko, kuba engaveli ngexesha elililo emlonyeni wesizalo.

14 Ndiya kubakûlula esandleni selabafileyo, ndiya kubahlaulela ndibakûlule ekufeni. Zipîna indyikitya zakô, kufa? ipîna imbûbîso yakô, hadesi? ukuzohlwaya kusitêle emehlweni am.

15 Nokuba yena uya kuba neziqâmo pâkatî kwabazalwana bakê; kuya kuza ulopû lwasempumalanga, umoya ka-Yehova unyuka entlango, litshe itênde lakê, wome umtômbô wakê; lowo uya kupânga ubuncwane bempahla zonke ezinqweneleka-yo.

16 Elakwa-Samari liya kuziva linetyala, kuba lipîkise u-Tîxo walo; baya kuwa ngeŕele, intsana zabo zicunyuzwe, nabamitîyo babo baqangqululwe.

14 Sirayeli, buya uze ku-Yehova u-Tîxo wakô; ngokuba ukûbekile ngobugwenxa bakô.

2 Tâbatâni nipâtê amazwi, nibuyele ku-Yehova; yitini kuye, Sixolele bonke ubugwenxa, wamkele izinto zetû ezilungileyo ukuze sinikele inkunzi zenkomo ezintsha, *imibulelo* yomlomo wetû.

3 U-Asuri akayi kusisindisa, asiyi kukŵela emahasheni, asiyi kuba satî kumsebenzi wezandla zetû, Tîxo wetû; kuba kuwe inkedama ifumana imfesane.

4 Ndiya kukupîlisa ukubuya kwabo umva, ndiya kubatânda ngesisa; ngokuba umsindo wam ubuyile kuye.

5 Ndiya kuba njengombetê ku-Sirayeli, uya kutyantyambâ njengenyibiba, endelisele ingcambû zakê njenge-Lebanon.

6 Aya kunaba amasebe akê, bube njengomnquma ubuhle bakê, ivumbâ lakê libe njengele-Lebanon.

7 Baya kubuya abahlala emtûnzini wakê, bapîle njengenqôlowa, batyantyambê njengom-diliya, isikûmbûzo sawo sibe njenge-wayini yase-Lebanon.

8 Efrayim, yinto-nina esenam nezitîxo? Okwam ndiyampêndula, ndimkâtâlela; ndinjengom-sipresi oluhlaza, siyafunyanwa kum isiqâmo sakô.

9 Ngubanina olumkileyo, aziqonde ezonto? ngubanina onengqondo, azazi? Ngokuba zitê-tye indlela zika-Yehova, ahambâ ngazo amalungisa; ke bona abaŕeqi bayakukûbeka kuzo.

Digitized by Google

U-YOWELI.

ISIQENDU I.

ILIZWI lika-Yehova elafika ku-Yoweli unyana ka-Petuweli.

2 Yivani oku, nina madoda makûlu, nibeke indlebe, nonke bemi belizwe, kwakô kwakô-na oku ngemihla yenu, nangemihla yoyihlo?

3 Kuxeleni konyana benu, onyana benu bakuxele konyana babo, onyana babo bakuxele kwisizukulwana esisemva kwabo.

4 Okushiywe ngumqikela kudliwe yinkumbî, okushiywe yinkumbî kudliwe ngumkôtululi, okushiywe ngekôtululayo kudliwe ngenqunqutayo.

5 Vukani, manxila, nilile; bômbôlozani, nonke baseli be-wayini, ngenxa yencindi yewayini; kuba inqunyulwe emlonyeni wenu.

6 Kuba ezweni lakowetû kunyuke uhlanga olunamandla, olunge nakubalwa; amazinyo alo ngamazinyo engonyama, nawemihlatî alo ngawengonyamakazi.

7 Luwubûqile um-diliya wam, lwawuvikiva umkîwane wam; luwucûbe kwatîtu, lwawulahla; amasebe awo asuke aba mhlope.

8 Bômbôloza njengentombî ebînqe eziîwexayo ngenxa yendoda yobutsha bayo.

9 Unqamkile endlwini ka-Yehova umnikelo wokudla notûlulwayo; benza isijwili abenzeleleli, abalungiseleli baka-Yehova.

10 Abûqiwe amasimi, umhlaba wenza isijwili; kuba ibûqiwe inqôlowa, itshile iwayini entsha, i-oli yomile.

11 Danani, balimi; bômbôlozani, basebenzi bezi-diliya, ngenxa yenqôlowa nangenxa ye-ŧasi; kuba lutshabalele uvuno lwamasimi.

12 Um-diliya utshile, umkîwane untshwenyile, um-ŧarnate, kwa namasundu noma-apile; yonke imitî yasendle yomile, ewe ipêlile inihlali, imkile konyana baka-Adam.

13 Bînqani eziîwexayo, nimbâmbâzele, benzeleleli; bômbôlozani, balungiseleli besibingelelo; yizani, lalani ngeziîwexayo bonke ubusuku, balungiseleli bo-Tîxo wam; kuba indlu yo-Tîxo wam ivinjwe umnikelo wokudla notûlulwayo.

14 Ngcwalisani uzilo, memani ingqungqutêla, hlanganisani amadoda amakulu, bonke abemi belizwe, beze endlwini ka-Yehova u-Tixo wenu, nikâle ku-Yehova.

15 Hayi-ke lemini! kuba isondele imini ka-Yehova, ivela njengembûqo ku-Somandla.

16 Akunqumke pâmbî kwamehlo etû na ukudla, imivuyo nemigcobo endlwini yo-Tîxo wetû?

17 Zibolile inkozo pântsi kwamagada azo, bacîtâkele ovimbâ, atî-boma amaqonga, kuba itshile inqôlowa.

18 Hayi ukuncwina kwempahl' enkulu! ikôhliwe imihlambî yenkomo, kuba inge natyani; nemihlambî yempahl' emfutshane ibandezelekile.

19 Ndikâla kuwe, Yehova; kuba umlilo uwatshisile amaŧiwa asentlango, nelangatye layiŧaula yonke imitî yasendle.

20 Kwa nempahl' enkulu yasendle itsalela kuwe; kuba itshile imijelo yamanzi, umlilo wawatshisa amaŧiwa asentlango.

ISIQENDU II.

2 Vutêlani isigodlo e-Tsiyon, nihlabe umkôsi entabeni yam engcwele; mabagungqe bonke abemi belizwe; ngokuba isiza imini ka-Yehova, kuba isondele;

2 Imini enobumnyama nesitôkôtôkô, imini enamafu, enamafu amnyama anjengokutî-qîpu kokusa pêzu kwentaba, abantu abaninzi abanamandla, akuzange kube nje napâkade, emva kwabo akusayi kuze kubuye kube nje, kude kuse minyakeni yezizukulwana ngezizukulwana.

3 Pâmbî kwabo kutshisa umlilo; nasemva kwabo kuŧaula ilangatye; ilizwe linjengomyezo we-Eden pâmbî kwabo, emva kwabo linjengentlango enkangala; nento esindileyo ayi kubakô kulo.

4 Injengokubonakala kwamahashe imbonakalo yabo; njengakwelwayo benje njalo ukubaleka.

5 Anjengesitônga senqwelo zokulwa ezincotsheni zentaba amagqasi abo; njenge-

Digitized by Google

sitônga selangatye lomlilo otshisa indiza;
njengabantu abanamandla abakê uluhlu.
6 Ebusweni babo ziyazibijabija izizwe;
bonke ubuso buba lutûtû.
7 Bagidima njengamagoda; banyuka udonga njengamadodâ okulwa; bahambâ elowo ngendlela yakê, abapâmbâpâmbî emendweni wabo.
8 Abagilani; bahambâ elowo ngomendo wakê; bawa nasezikâlini, bangenzakali.
9 Bapîtîzela emzini; babaleka eludongeni; banyuka ezindlwini; bangena nge-festile njengesela.
10 Pâmbî kwabo uyagungqa umhlaba; ayanyikima amazulu; lisuke lamnyama ilanga nenyanga, nenkwenkwezi zibufinyezile ubumhlope bazo.
11 U-Yehova ukûpâ izwi lakê pâmbî kwempi yakê; kuba umkûlu kakûlu umkôsi wakê; kuba unamandla umenzi welizwi lakê; kuba inkulu imini ka-Yehova, yoyikeka kunene; ngubanina onokuyinyamezela?
12 Nangoku-ke, utsho u-Yehova ukutî, Buyelani kum ngentliziyo yenu yonke, nangokuzila, nangokulila, nangokumbâmbâzela;
13 Nirazule intliziyo yenu, ingabi zingubo zenu, nibuyele ku-Yehova u-Tîxo wenu: kuba unobabalo nemfesane, yena uzeka kade umsindo, unenceba enkulu, uyazohlwaya ngenxa yobubi.
14 Ngubanina owaziyo, mhlaumbî wobuya azohlwaye, ashiye intsikelelo ngasemva kwakê, umnikelo wokudla notûlulwayo ku-Yehova u-Tîxo wenu.

15 Vutêlani isigodlo e-Tsiyon, ngcwalisani uzilo, memani ingqungqutêla;
16 Hlanganisani abantu, ngcwalisani ibandla, butâni amadoda amakûlu, hlanganisani intsapo nabanyayo emabeleni; makapûme umyeni egumbîni lakê, umtshakazi esililini sakê.
17 Mabalile abenzeleleli, abalungiseleleli baka-Yehova, pâkatî kwe-varanda nesibingelelo batî, Yiba nenceba, Yehova, ebantwini bakô, ungalinikeli ilifa lakô ekungcikivweni, ukuba intlanga zizekelise ngabo; yinina ukuba kutîwe ezizweni, Upîna u-Tîxo wabo?

18 Waba nobukwêle-ke u-Yehova ngelizwe lakê, wanofefe ngabantu bakê.
19 Wapêndula u-Yehova, watî ebantwini bakê, Yabonani, ndinitûmela inqôlowa ne-wayini entsha, ne-oli, eniya kwaneliswa yiyo; ndingabi saninikela ukubâ nibe singcikivo ezintlangeni;
20 Ndimkwelelisele kude kuni owase-Ntla, ndimgxotêle ezweni elingumqwebedu, enkangala: umpâmbîli wakê usinge kulwandle lwasempumalanga, umqosheliso wakê kulwandle lwasentshonalanga, kunyuke ukunuka kwakê, kunyuke ukubola kwakê, kuba ezipâkamisile ukwenza izinto ezinkulu.
21 Mus'ukoyika, mhlaba, gcoba uvuye; kuba u-Yehova wenza izinto ezinkulu.
22 Musan' ukoyika, mpahl' enkulu yasendle; kuba amarîwa asentlango apûma uhlaza; kuba umtî uxakatâ isiqâmo sawo, umkîwane nom-diliya, unika amandla awo.
23 Nani bonyana base-Tsiyon, gcobani nivuye ku-Yehova u-Tîxo wenu; kuba uninika umyali wokuba kubekô ubulungisa, anihlisele umvumbî, imvula etâmbisayo nemvula evutîsayo ekuqaleni;
24 Zizale izandâ yinqôlowa, ipâlale imikômbê yokukongozela yi-wayini entsha nayi-oli;
25 Ndinibuyiselele okweminyaka eyadliwa yinkumbî, neyekôtululayo, nomqikela, neyenqunqutayo, impi yam enkulu endayitûmelayo pâkatî kwenu;
26 Nidle nidlile, nihlute, nilidumise igama lika-Yehova u-Tîxo wenu, onipêtê ngokubalulekileyo; bangadani abantu bam napâkade;
27 Nazi ukuba ndipâkatî kwama-Sirayeli, ukuba mna Yehova ndingu-Tîxo wenu, akukô wumbî; bangadani abantu bam napâkade.

28 Kutî emveni kokuba njalo, ndiwutûlule umoya wam pêzu kwenyama yonke, baprofete onyana benu nentombî zenu; amadoda enu amakûlu apûpê amapûpâ; amadodana enu abone imibono;
29 Kwa napêzu kwabakônzi napêzu kwabakônzazana ndiwutûlule umoya wam ngalomihla;
30 Ndenze izimanga emazulwini, nasemhlabeni igazi nomlilo nemiqulu yomsi.
31 Ilanga liya kusuka libe mnyama, nenyanga ibe ligazi, pâmbî kokuba ifike imini ka-Yehova, leyo inkulu yoyikekayo.
32 Batî, bonke abasukuba benqula igama lika-Yehova, basinde; kuba entabeni

Digitized by Google

yase-Tsiyon nase-Yerusalem kuya kubakô abasindileyo, njengoko watshoyo u-Yehova, napäkatî kwabaseleyo kubekô awobabiza u-Yehova.

3 Ngokuba yabonani, ngayo lomihla nangalo eloxesha ndakukubuyisa ngalo ukutînjwa kuka-Yuda ne-Yerusalem,
2 Ndozibutâ zonke intlanga, ndizihlisele entilini yakwa-Yoshafati; ndimangalelane nazo kôna ngenxa yabantu bam, ilifa lam ama-Sirayeli, ezibatê-sa ezintlangeni, zalaba ilizwe lam.
3 Abantu bam zibenzele amaqashiso, zavuza ihenyukazi ngenkwenkwe, zatêngisa ngentombî nge-wayini, zasela.
4 Kananjalo niya kundenza nto-nina nina, Tire, nawe, Tsidon, nani mida yonke yama-Filisti? Niya kundibuyekeza impâtô yam-na? niya kundenza nto-na? Kwakamsinya ngokukâulezayo ndiya kukubuyisela ukupâtâ kwenu entloko yenu.
5 Ekubeni nitâbatê i-silvere yam ne-golide yam, izinto zam ezintle ezinqwenelekayo, nazisa e-tempileni yenu;
6 Natêngisa ngonyana baka-Yuda nangonyana base-Yerusalem konyana baka-Yavan,[1] ukuze nibakwelelisele kude emdeni wabo.
7 Yabonani, ndiyabaxôxâ endaweni enatêngisa ngabo kuyo, ndikubuyisele ukupâtâ kwenu entloko yenu;
8 Nditêngise ngonyana benu nangentombî zenu esandleni sonyana baka-Yuda, batêngise ngabo kuma-Sheba, kuhlanga olukude; kuba utêtile u-Yehova.
9 Memezani oku ezintlangeni, ngcwalisani imfazwe; xôxâni amagofa; makafike enyuke onke amadoda okulwa.
10 Kândani amakûba enu abe ngamafele, nezitshetshe zenu zemi-diliya zibe zikâli; oswel'amandla makatî, Ndiligofa.
11 Kâulezani nize, nonke zintlanga zangenxa zonke, nibutêlane; wahlisele kôna amagofa akô, Yehova.
12 Mazixôxwe zinyuke intlanga, ziye entilini yakwa-Yoshafati; ngokuba ndiya kuhlala pântsi kôna, ukuze ndizigwebe zonke intlanga zangenxa zonke.
13 Fakani ifengqa, kuba ukudla kuvutîwe; yizani nixovule, ngokuba isixovulelo se-wayini sizele, iyapâlala imikômbê yokukongozela; kuba bukûlu ububi bazo.
14 Yimbûtûmbûtû, yimbûtûmbûtû entilini yesigqibo! kuba isondele imini ka-Yehova entilini yesigqibo.
15 Ilanga nenyanga zenziwe mnyama, inkwenkwezi zibufinyezile ubumhlope bazo.
16 U-Yehova ubâfula e-Tsiyon, ukûpâ izwi lakê e-Yerusalem, anyikime amazulu nomhlaba; ke u-Yehova ulihlatî kubantu bakê, uligwiba konyana baka-Sirayeli;
17 Nazi ukuba mna Yehova ndingu-Tixo wenu, ohleli e-Tsiyon entabeni yam engcwele; i-Yerusalem yoba ngcwele, abasemzini bangabi sacanda pâkatî kwayo.
18 Kutî ngalomini, intaba zivuze incindi ye-diliya, induli zipâlale amasi, imijelo yonke yakwa-Yuda ipâlale amanzi; kupûme umtômbô endlwini ka-Yehova, useze isihlambô semingampunzi.
19 I-Yiputa kuya kuba senkangala, nelakwa-Edom libe yintlango esenkangala, ngenxa yokugonyamela kwabo onyana baka-Yuda, ekubeni bepâlaze igazi elimsulwa ezweni labo.
20 Ke u-Yuda uya kumiwa ngonapâkade, i-Yerusalem imiwe kwizizukulwana ngezizukulwana;
21 Ndilisule igazi labo endandingalisulanga; ngokuba u-Yehova uhleli e-Tsiyon.

U-AMOSI.

ISIQENDU I.

AMAZWI ka-Amosi obe ngowakubo abalûsi base-Tekowa, awawabonayo ngokusingisele kwa-Sirayeli, ngemihla ka-Uziya ukumkani wakwa-Yuda, ngemihla ka-Yarobeham unyana ka-Yowashe, ukumkani wakwa-Sirayeli, iminyaka emibini pâmbî konyikimo.

[1] Ama-Grike.

Digitized by Google

2 Watî, U-Yehova uyabârula e-Tsiyon, akûpê ilizwi lakê e-Yerusalem, amarîwa abalûsi enze isijwili, incopo ye-Karemele yome.

3 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû ze-Damasko, ngenxa yezine, —andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokuba bambûlayo u-Giliyadi ngezibûlo zesinyiti:
4 Ndiya kupôsa umlilo endlwini ka-Hazayeli, utshise ingxande ezinde zika-Benhadade,
5 Ndiwapûle umvalo we-Damasko, ndinqumle ummi wasesihlanjeni se-Aven, nopêtê intonga yobukumkani e-Bete-eden; batînjwe abantu bakwa-Aram, baye e-Kire, utsho u-Yehova.

6 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû ze-Gaza, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokutîmbâ kwabo abatînjwa ngokuzeleyo, ukuze babanikele ku-Edom:
7 Ndiya kutûmela umlilo eludongeni lwe-Gaza, utshise ingxande zayo ezinde;
8 Ndimnqumle omiyo e-Ashdode, nopêtê intonga yobukumkani e-Ashkelon; ndisibuyisele isandla sam pêzu kwe-Ekron, atshabalale amasalela ama-Filisti, itsho i-Nkosi u-Yehova.

9 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû ze-Tire, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokubanikela kwabo abatînjwa bepêlele ku-Edom, abawukûmbûla umnqopîso wobuzalwana:
10 Ndiya kutûmela umlilo eludongeni lwe-Tire, utshise ingxande zayo ezinde.
11 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû zakwa-Edom, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokumsukelisa kwakê umzalwana wake ngerêle, eyilahlile imfesane yakê, umsindo wakê uhlal' uqwenga, eman' egcine ukupûpûma komsindo wakê:
12 Ndiya kutûmela umlilo kwa-Teman, utshise ingxande ezinde zase-Botsera.

13 Utsho u-Yehova ukuti, Ngenxa yezirêqo ezitatu zonyana baka-Amon, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento; ngenxa yokuqangqulula kwabo abamitîyo base-Giliyadi, ukuze bandise umda wabo:
14 Ndiya kubâsa umlilo eludongeni lwe-Raba, utshise ingxande zayo ezinde, kuhlatywa umkôsi ngemini yokulwa, kukô umoya ovutûzayo ngemini yesaqwiti;
15 Atînjwe emke ukumkani wabo, yena nabatêtêli bakê kunye *naye*, utsho u-Yehova.

2 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû zakwa-Mowabi, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokuwatshisa kwakê amatâmbô okumkani bakwa-Edom aba yi-kalika:
2 Ndiya kutûmela umlilo kwa-Mowabi, utshise ingxande ezinde ze-Kerioyoti, afe u-Mowabi kupîtîzelwa, kuhlatywa umkôsi, kuvutêlwa izigodlo;
3 Ndimnqumle umgwebi pâkatî kwakê, ndibabulale bonke abatêtêli bakê kunye naye, utsho u-Yehova.

4 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû zakwa-Yuda, ngenxa yezine, —andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokuwucekisa kwabo umyalelo ka-Yehova, abayigcina imimiselo yakê, amanga abo, ababelandela wona oyise, abandwendwisa;
5 Ndiya kutûmela umlilo kwa-Yuda, utshise ingxande ezinde ze-Yerusalem.

6 Utsho u-Yehova ukutî, Ngenxa yezirêqo ezitâtû zakwa-Sirayeli, ngenxa yezine,—andikuyibuyisa umva lento;—ngenxa yokuba batêngisa ilungisa nge-silvere, batêngisa ihlwempu ngembâdada ezimbîni;
7 Bon'abo bazondayo ukuba intloko yezisweli ibe notûli lomhlaba, bayijika indlela yabalulamileyo; umntu noyise baya ntombîni nye, ukuze balihlambêle igama lam elingcwele;
8 Banaba pêzu kwengubo ezisibambîso ngasezibingelelweni zonke, basela i-wayini yabahlaulisiweyo endlwini yotîxo wabo.
9 Kanti mna ndamtshabalalisa ebusweni babo um-Amori, obude bunjengobude bemi-sedare, obeliqele njengemi-oki; ndasitshabalalisa isiqâmo sakê ngapêzulu nengcambû zakê ngapântsi.
10 Ke mna ndaninyusa ezweni lase-Yiputa, ndanikôkela entlango iminyaka ema-

Digitized by Google

shumi mane, ukuze nilihlute ilizwe lom-Amori.

11 Ndavelisa konyana benu abokuba ngaba-profeti, nakumadodana enu abokuba ngabazahlulileyo. Hi, akunjalo-na, nyana baka-Sirayeli? utsho u-Yehova.

12 Ke nisuke nabaseza i-wayini abazahlulileyo; aba-profeti nabawisela umtêtô wokutî, Ize ningaprofeti.

13 Yabonani, ndiya kunixinzelela pântsi, njengokuba ixinzelelwa pântsi inqwelo ezele zizitûngu;

14 Akôhlwe kusaba onamendu, owomeleleyo angawaqinisi amandla akê, igoŕa lingawusindisi ubomi balo;

15 Nopêtê isapêta angamisi, nonyawo zinamendu angazisindisi, nokwele ehasheni angabusindisi ubomi bakê;

16 Nontliziyo ikâlipileyo pâkatî kwamagoŕa asabe ezé ngalomini, utsho u-Yehova.

3 Liveni elilizwi alitêtîleyo u-Yehova ngani, nyana baka-Sirayeli, ngayo yonke imizalwane endayinyusayo ezweni lase-Yiputa, lisitî,

2 Ndaze nina nedwa emizalwaneni yonke yomhlaba; ngenxa yoko ndiya kubuvelela kuni ubugwenxa benu bonke.

3 Bakê bahambê ndawo-nye-na ababini, bengavani?

4 Ikê ibârule-na ingonyama ehlatîni, inge nanto iyiqwengayo? ingonyama entsha ikê igqume-na emqolombeni wayo, ingabambânga-nto?

5 Ikê yeyele-na intaka esibatêni emhlabeni, kungekô sango liyitîyeleyo? wojuba-na umgibe emhlabeni, ungabambîsanga nokubambîsa?

6 Kôna kêsivutêlwe-na isigodlo pâkatî komzi, bangetûki abantu? kêbubekô-na ukubi pâkatî komzi, engabenzanga u-Yehova?

7 Inene ayikê yenza into i-Nkosi u-Yehova, ingatânga iluhlakaze ucweyo lwayo kubakônzi bayo aba-profeti.

8 Ingonyama ibârule, ngubanina ongoyikiyo? i-Nkosi u-Yehova itêtîle, ngubanina ongayi kuprofeta.

9 Memezani ezingxandeni ezinde zase-Ashdode, nasezingxandeni ezinde zezwe lase-Yiputa, nitî, Hlanganisani ezintabeni zelakwa-Samari, nibone isaqunge esikûlu esipâkati kwalo, nabacudisiweyo abasesazulwini salo,

10 Kuba abakwazi ukwenza okutê-gca, utsho u-Yehova, abobafumbâ ugonyamelo nobûqo ezingxandeni zabo ezinde.

11 Ngako oko itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Umbandezeli uya kuba ngenxa zonke elizweni; uya kuwatôba amandla akô kuwe, zipângwe ingxande zakô ezinde.

12 Utsho u-Yehova ukutî, Njengokuba umalûsi ehlangula emlonyeni wengonyama oxongo ababini, nokuba siqwenga sendlebe; baya kwenjiwa njalo ukuhlangulwa onyana baka-Sirayeli, abahlala kwa-Samari pêzu kwempundu wesinqênqelo, napêzu kwengubo ze-koyi eziluhlobo lwe-Damasko.

13 Yivani, ninqîne kwindlu ka-Yakobi, itsho i-Nkosi u-Yehova, u-Tîxo wemikosi.

14 Kuba mini ndiya kuzivelela izifeqo zendlu ka-Sirayeli pêzu kwayo, ndiya kuzivelela ezibingelelweni zase-Beteli, zixakaxwe impondo zesibingelelo, ziwe emhlabeni;

15 Ndiyicîtê indlu yasebusika, kunye nendlu yasehlotyeni, zitshabalale izindlu zempondo zendlovu, zipêle izindlu ezininzi, utsho u-Yehova.

4 Liveni elilizwi, nina zimazi zase-Bashan, zisentabeni zakwa-Samari, zicudisayo izisweli, ziwavikivayo amahlwempu, zitî ezinkosini zazo, Zisani sisele.

2 I-Nkosi u-Yehova ifunge ubungcwele bayo, yatî, Yabonani, nizelwa yimihla eniya kuqweqwediswa ngamagwegwe, nabokugqibela kuni ngamaqefu okubambîsa intlanzi;

3 Nipûme ngamatûba okuqêkezwa kodonga, elowo apûme ngelilunge naye, niye kupôswa e-Harmon, utsho u-Yehova.

4 Yiyani e-Beteli nifeqe; yiyani e-Giligali, nandise ukufeqa; nizise imibingelelo yenu imiso ngemiso, nezishumi zenu kanye ngemihla emitâtû;

5 Niqûmisele umbingelelo wemibulelo ngento enegwele, nimemeze imibingelelo yokuqûtywa yintliziyo; memezani, kuba nitânda njalo, nyana baka-Sirayeli, itsho i-Nkosi u-Yehova.

6 Kananjalo mna ndininike ubusulwa bamazinyo emizini yenu yonke, nokusweleka kwesonka ezindaweni zenu zonke; anibuyanga nize kum noko, utsho u-Yehova.

7 Kananjalo mna ndayitîntêla imvula

Digitized by Google

kuni, zisentâtû inyanga zokubâ kuvunwe; ndayinisa komnyé umzi, andayinisa komnye; esinye isahlulo somhlaba sanelwa *yimvula*, esinye isahlulo esinganelwanga satsha;

8 Imizi emibini, emitâtû ibâdulele kumzi omnye, ukuze isele amanzi ingakôlwa; anabuya nize kum noko, utsho u-Yehova.

9 Ndanibetâ ngembabala nangexoshombâ; imiyezo yenu nezi-diliya zenu nemikîwane yenu neminquma yenu emininzi yadliwa yinkumbî enqunqutayo; anabuya nize kum noko, utsho u-Yehova.

10 Ndatûmela pâkatî kwenu indyikitya yokufa ngokuya kwase-Yiputa, ndawabulala ngerele amadodana enu, kwa namahashe enu angamaxôba, ndanyusa ukunuka kweminquba yenu, kweza ezimpumlweni zenu; anabuya nize kum noko, utsho u-Yehova.

11 Ndibabûkuqile abanye benu, njengoko wabûkuqa ngako u-Tîxo i-Sodom ne-Gomora, naba njengesikûni esinyotûlwe emlilweni; anabuya nize kum noko, utsho u-Yehova.

12 Ngako oko ndiya kwenje nje kuwe, Sirayeli; ngokokuba ndiya kwenje nje-ke kuwe, zilungiselele ukuhlangabeza u-Tîxo wakô, Sirayeli.

13 Ngokuba, yabona, Uloyila intaba, ulodala umoya, uloxelela umntu into okuyiyo ukutêlekelela kwakê, ulowenza mnyama isifingo, ulonyatêla pêzu kwemimango yomhlaba: ngu-Yehova u-Tîxo wemikôsi igama lakê.

5 Liveni elilizwî ndilipâkamisayo ngani, esisimbônono, ndlu ka-Sirayeli.

2 Iwile, ayi kubuye ivuke intombî engu-Sirayeli; ikâhleleke emhlabeni, akukô uyipâkamisayo.

3 Ngokuba itsho i-Nkosi u-Yehova ukutî, Umzi opûma unewaka, uya kusala nekûlu; opûma unekûlu, uya kusala neshumi kwindlu ka-Sirayeli.

4 Ngokuba utsho u-Yehova kwindlu ka-Sirayeli, ukutî, Ndifuneni, nipîle;

5 Musan' ukufuna i-Beteli, ningangeni e-Giligali, ningaweleli niye e-Ber-sheba; kuba i-Giligali inene iya kutînjwa, ne-Beteli ibe yinto enge yakô nto.

6 Funani u-Yehova naniya kupîla, hleze ayifikele indlu ka-Yosefu njengomlilo, utshise, kungabikô uwucimela i-Beteli:

7 Nin'abo bajika okusesikweni kube ngumhlonyane, babukâhlele pântsi ubulungisa emhlabeni.

8 Mfuneni ulowenza isilimela namarôza, uloguqula itûnzi lokufa libe ngumso, imini ayenze mnyama ibe busuku; ulobiza amanzi olwandle, awatûlulele pêzu komhlaba: ngu-Yehova igama lake;

9 Ngulotshangazisa imbûqo pêzu koliqele, imbûqo iyifikele inqaba.

10 Bayamtîya owohlwayayo esangweni, bamenze isikizi otêtâ okugqibeleleyo.

11 Ngako oko, ngenxa yokusigqusha kwenu isisweli, nitâbatê kuso unikelo lwenqôlowa; niya kwakâ izindlu ngamatye aqingqiweyo, ningahlali kuzo; nityala izi-diliya ezinqwenelekayo, ningaseli wayini yazo.

12 Kuba ndiyazazi izireqo zenu ukuba zininzi kwazo, nezono zenu ukuba zikûlu kwazo; nibandezela ilungisa, nisamkele isicêngo, nisijike *isigwebo* samahlwempu esangweni.

13 Ngako oko, onengqiqo utê-cwaka ngelixesha; kuba lixesha elibi eli.

14 Funani okulungileyo, ningafuni okubi, ukuze nipîle; aze u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, abe nani, njengoko nitshoyo.

15 Tîyani okubi, nitânde okulungileyo, nimise okusesikweni esangweni, mhlaumbî u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, wowababala amasalela ka-Yosefu.

16 Ngako oko utsho u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, i-Nkosi, ukutî, Ezindaweni zonke zembûtô kumbâmbâzela; ezi-trateni zonke batî, Yô! yô! bâbizela umlimi esijwilini, bebizela abasaziyo isimema, batî, Mbâmbâzelani.

17 Ezi-diliyeni zonke kumbâmbâzela; ngokuba ndicanda esazulwini sakô, utsho u-Yehova.

18 Yeha-ke nina banqwenela imini ka-Yehova! Iyinto-nina imini ka-Yehova kuni? Ibubumnyama, ayikukukânya.

19 Injengokutî umntu abaleke engonyameni, aqubisane ne-bere, angene endlwini, abambêle ngesandla eludongeni, inyoka imlume.

20 Ayi kuba bubumnyama yinina imini ka-Yehova, ingabi kukukânya? ayi kuba sitôkôtôkô, yinina, ingabi nabumhlope?

21 Ndiyitîyile, ndiyayicekisa imitêndeleko yenu, andisezeli ivumba lengqungqutêla.

22 Ngokuba, xa nitê nandinyusela amadini anyukayo neminikelo yenu yokudla,

Digitized by Google

akakôleki kum, nombingelelo wenu woxolo wamatôle atyetyisiweyo andiwubêki.

23 Yisuse kum ingxokozelo yengoma zakê, nokubetâ kwemifubê yakô andikupûlapûli.

24 Makugaleleke umgwebo njengamanzi, nobulungisa njengomlambô ongatshiyo.

25 Imibingelelo neminikelo yokudla naniyizisa kum yinina entlango iminyaka emashumi mane, ndlu ka-Sirayeli?

26 Nasuka natwala umnquba wokumkani wenu, noseko lwemifanekiso yenu, inkwenkwezi yotîxo benu, enazenzelayo.

27 Ndiya kunifudusela kude-ke ngapâya kwe-Damasko, utsho u-Yehova; ngu-Tîxo wemikôsi igama lakê.

6 Yeha-ke kwabatyeshileyo e-Tsiyon nabakôlose ngentaba yakwa-Samari, abadumileyo ngamagama kwintlahlela yentlanga, eza kuyo indlu ka-Sirayeli!

2 Welelani e-Kalene, nibone; nisuke kôna niye e-Hamati enkulu; nihle niye e-Gati yama-Filisti; ukuba ilungile-na lomizi kunezikumkani? ukuba mikûlu-na imida yayo kunemida yenu?

3 Nina baba imini yobubi ikude, basondeza isihlalo sogonyamelo;

4 Nina balele ezinqênqelweni zempondo zendlovu, banabe ezi-koyini zabo, badle amatâkane emhlambîni namatôle ase-stalini.

5 Nina bapololoza kubetâ umfubê bazicingela ukwenza izinto zokuvuma njengo-Davide;

6 Nina baseli be-wayini ngezitya zokutshiza zemibingelelo, bazitâmbise ngentlahlela ye-oli, bangahlabeki kukwapûka kuka-Yosefu.

7 Ngako oko baya kutînjwa bemke ngoku kwasentloko kubatînjwa, ipêle ingxobotshane yabanabileyo.

8 I-Nkosi u-Yehova izifungile, utsho u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi, yatî, Lisikizi kum iqâyiya lika-Yakobi, ndizitîyile ingxande zakê ezinde, ngako oko ndowunikela umzi nenzaliseko yawo;

9 Kutî, ukuba kutê kwasala amadoda alishumi ndlwini nye, afe;

10 Umntu apâkanyiswe nguyisekazi, umncwâbi wakê, ukuba awakûpe amatâmbô akê endlwini, atî kosentla endlwini, Usekô-na okuwe? atî lowo, Akusekô nto; wotî yena, Twizé; ngokuba alingekânkanywa igama lika-Yehova.

11 Ngokuba uyabona, u-Yehova uwisa umtêtô, bayibetê indlu enkulu ibe ngamavitî, nendlu encinane ibe zintanda.

12 Amahashe ayabaleka-na pézu kwengxondoŕa? bayalima-na kôna ngenkomo? ukuba nikujike-nje okusesikweni kube bubuhlungu, nesiqâmo sobulungisa sibe ngumhlonyane;

13 Nina bavuyela okunge luto, batî, Sizenzela impondo ngawetû amandla.

14 Ke yabonani ndinivusela uhlanga, ndlu ka-Sirayeli, utsho u-Yehova, u-Tîxo wemikôsi; luya kunixina, lutâbatêle ekuyiweni e-Hamati, luse esihlanjeni se-Araba.

7 Yenje nje ukundibonisa i-Nkosi u-Yehova: Yabona, idala imiqikela yenkumbî ekuqalekeni kokuhluma kwesihlabane *sotyani;* naso isihlabane-eso emva kokusikelwa kukakumkani *incâ.*

2 Kwatî, yakugqiba ukuyidla imifuno yelizwe, ndatî mna, Nkosi Yehova, kâuxolele, angatî-nina u-Yakobi ukuma? Kuba mncinane yena.

3 Wazohlwaya u-Yehova ngenxa yoko. Akuyi kubakô, watsho u-Yehova.

4 Yenje nje ukundibonisa i-Nkosi u-Yehova. Nantso i-Nkosi u-Yehova ibiza umlilo, ukuba yohlwaye ngawo; wawagqiba amanzi amaninzi enzonzobila wasitshisa isahlulo *somhlaba.*

5 Ndatî, Nkosi Yehova, kâuyeke, angatî-nina u-Yakobi ukuma? kuba mncinane yena.

6 Wazohlwaya u-Yehova ngenxa yoko. Nako oko akuyi kubakô, itsho i-Nkosi u-Yehova.

7 Yenje nje ukundibonisa: Nantso i-Nkosi imi eludongeni olumpuluswa, ipêtê i-lote yokulungelelanisa ngesandla.

8 U-Yehova watî kum, Ubona nto-nina, Amosi? Ndatî, I-lote yokulungelelanisa. Yatî i-Nkosi, Yabona, ndibeka i-lote esazulwini sabantu bam ama-Sirayeli, andiyi kubuye ndipînde ndidlule kubo.

9 Ziya kucîtwa izigânga zakwa-Isake, zibe ngamanxuwa ingcwele zakwa-Sirayeli, ndisukele pêzulu kwindlu ka-Yarobeham ngerele.

10 U-Amatsiya umenzeleleli wase-Beteli watûmela ku-Yarobeham ukumkani wakwa-Sirayeli, esitî, Ukucebile u-Amosi e-

Digitized by Google

sazulwini sendlu ka-Sirayeli; ilizwe alinakuwanyamezela onke amazwi akê.

11 Ngokuba u-Amosi utsho ukutí, Uya kufa ngeřele u-Yarobeham, ama-Sirayeli aya kutinjwa, afuduswe emke elizweni lawo.

12 Watí u-Amatsiya ku-Amosi, Mboni, hambá, ufole uye ezweni lakwa-Yuda, udle kóna isonka sakó, uprofete kóna;

13 Kodwa uzungabi sapínda uprofete e-Beteli, kuba yingcwele kakumkani kóna, yindlu yakomkúlu leyo.

14 Wapéndula u-Amosi, watí ku-Amatsiya, Ándingem-profeti, andingenyana wam-profeti; ngokuba ndingumalúsi wenkomo, ndingumbutí weziqámo zomtómbê.

15 U-Yehova wanditábatá ekulandeleni umhlambí, u-Yehova watí kum, Yiya uprofete kubantu bam ama-Sirayeli.

16 Ngoko-ke live ilizwi lika-Yehova. Utí wena, Akuyi kuprofeta kuma-Sirayeli, akuyi kuwisa intetó kwindlu ka-Isake.

17 Ngako oko utsho u-Yehova ukutí, Umfazi wakó uya kuhenyuza pákatí komzi, bawe ngeřele onyana bakó nentombí zakó; umhlaba wakó wabiwe ngolutya, ke wena ufele emhlabeni oyinqambí, ama-Sirayeli aya kutinjwa afuduswe emke elizweni lawo.

8 Yenje-nje ukundibonisa i-Nkosi u-Yehova: Nantso ingobozi ineziqámo zasehlotyeni.

2 Yatí kum, Ubona nto-nina, Amosi? Ndatí, Ingobozi ineziqámo zasehlotyeni. Watí u-Yehova kum, Isipélo sibafikele abantu bam ama-Sirayeli; andiyi kubuye ndipínde ndidlule kubo.

3 Ziya kuba kubómbóloza ingoma zebotwe ngalomini, itsho i-Nkosi u-Yehova; zininzi izidúmbú; uziqungquluzisile ezindaweni zonke; twizé!

4 Yivani oku, nina bawazondayo amahlwempu, ukuba nibapélise abazintsizana belizwe, nisití,

5 Kuya kugqitá ninina ukutwasa kwenyanga, siténgise ngenqólowa? iya kugqitá ninina i-sabatá, sivule izisele zenqólowa? ukuze sincipíse i-efa, sikúlise ishekele, sigqwetê izi-kali zibe zezokukohlisa;

6 Ukuze sizitênge izisweli nge-silvere, namahlwempu ngembádada. ezimbíni, sitengise ngomdlungu wenqólowa.

7 Ulifungile u-Yehova iqáyiya lika-Yakobi, esití, Inyaniso, andiyi kuzilibala napákade izenzo zabo zonke.

8 Aliyi kugungqa-na ngenxa yoku ilizwe, benze isijwili bonke abemiyo kulo? linyuke lonke lipéla njengom-Nayile; lisuke amadlu, liwutê njengom-Nayile waseYiputa.

9 Kotí ngalomini, itsho i-Nkosi u-Yehova, ndilitshonise ilanga emin' enkulu, ndenze ubumnyama emhlabeni ngemini elisileyo;

10 Ndíyijike imitêndeleko yenu ibe sijwili, nengoma zenu zonke zibe simbónono; ndinxibe ezimnyama zokuzila ezinqeni zonke; ndicébe zonke intloko, ndikwenze konke oko, kube njengesijwili esenzelwa umntwana okupéla kwamzeleyo, nokupéla kwakó kube njengomhla ořaŕa.

11 Yabonani, kuza ímihla, itsho i-Nkosi u-Yehova, endiya kutúmela ukulambá kulo ilizwe, kungabi kukó ukulambéla isonka, kungabi kukó ukunxanela amanzi, kube kulambéla ukuva amazwi ka-Yehova;

12 Babádule betábatéla kolunye ulwandle, base kolunye ulwandle; betábatéla e-Ntla, base empumalanga; betyútyá befuna ilizwi lika-Yehova, bangalifumani.

13 Ngalomini uya kuwa isiduli umtínjana omhle nomlisela linxano.

14 Bon' abo bafunga ityala lakwa-Samari, batí, Ehleli-nje u-Tíxo wakó, Dan; batí, Ihleli-nje indlela yase-Ber-sheba; baya kuwa bangabi savuka.

9 Ndayibona i-Nkosi imi ngasesibingelelweni, yatí, Betá inqanam, inyikime imigubasi yomnyango, uziqóbe ezonto, ziwe entloko yabo bonke bepéla, ndibabulale abokugqibela babo ngeřele; osabayo kubo akusayi kusinda, angasindi nokuzisindisa kubo.

2 Ukuba batê bagqobozela elabafileyo, sobatábatá nakóna isandla sam; nokuba batê benyuka baya ezulwini, ndobahlisa nakóna.

3 Nokuba batê bazimela encotsheni ye-Karmele, ndofuna, ndibatábatê nalapó; nokuba batê bazisitélisa pámbí kwamehlo am emazantsi olwandle, ndoyiwisela umtétó nalapó inyoka ibalume,

4 Nokuba batê batínjwa pámbí kwentshaba zabo, ndoliwisela umtétó nalapó

Digitized by Google

ifele, libabulale, ndiwamise kubo amehlo am, ukuba kube kubi, kungalungi.

5 I-Nkosi u-Yehova wemikôsi ngulopâtâ ilizwe, linyibilike, benze isijwili bonke abemiyo kulo; linyuke lonke lipêla njengom-Nayile, libuye liwutê njengom-Nayile wase-Yiputa;

6 Ngulowakêla ezulwini amagumbî akê apêzulu, nopâhla lwawo alusekele pêzu komhlaba; ngulobiza amanzi olwandle, awatûlulele pêzu komhlaba: ngu-Yehova igama lakê.

7 Aninjengonyana bama-Kushi-na kum, nina nyana baka-Sirayeli? utsho u-Yehova. Andiwanyusanga-na ama-Sirayeli ezweni lase-Yiputa, ama-Filisti e-Kafetori, ama-Amram e-Kire?

8 Yabonani, amehlo e-Nkosi u-Yehova asebukumkanini obonayo, ndibutshabalalise, bungabikô pêzu kombahla; kodwa andikuyitshabalalisa ipêle indlu ka-Yakobi, utsho u-Yehova.

9 Ngokuba yabonani, ndiwisa umtêtô, ndiyihlungule indlu ka-Sirayeli ezintlangeni zonke, njengoko kuhlungulwa inqôlowa ngesihlungulo, kungawi nokôzo emhlabeni.

10 Baya kufa ngefele bonke aboni babantu bam, abo batî, Abukusifumana, abukusitîntela ububi.

11 Ngalomini ndiya kuwuvusa umnquba ka-Davide, lowo uwileyo, ndizivingce intânda zawo, ndizivuse indawo zawo ezigungxulweyo, ndiwakê ube njengokwemihla yamandulo;

12 Ukuze bawatimbê amasalela akwa-Edom, nentlanga zonke, ezibizwa ngegama lam, utsho u-Yehova okwenzayo oku.

13 Yabonani, kuza imihla, utsho u-Yehova, aya kuti afumanane umlimi nomvuni, umxovuli we-diliya afumanane nomhlwayeli wembêwu; intaba zivuse incindi ye-diliya, nenduli zonke zinyibilike;

14 Ndikubuyise ukutînjwa kwabantu bam ama-Sirayeli, bayakê imizi engamanxuwa, bayihlale, batyale izi-diliya, basele i-wayini yazo, benze imiyezo, badle iziqâmo zayo;

15 Ndibatyale emhlabeni wabo, bangabi sanyotûlwa emhlabeni wabo endabanikayo, utsho u-Yehova u-Tixo wakô.

U-OBADIYA.

UMBONO ka-Obadiya.

Itshilo i-Nkosi u-Yehova ngokusingisele kwelakwa-Edom, ukutî, Sive udaba oluvela ku-Yehova, kutûnywe isigidîmi ezintlangeni sokutî, Suk'umani, sisukele pêzulu kulo, silwe nalo.

2 Yabonani, ndikwenze wamncinane ezintlangeni, udelekile kakulû.

3 Ukukûkumala kwentliziyo yakô kukulukuhlile, wena uhleliyo emfanteni wengxondofa, okâya lipêzulu, otî entliziyweni yake, Ngubanina oya kundihlisela emhlabeni.

4 Ukuba utê wakêla pêzulu njengokôzi, nokuba itê indlu yakô yabekwa pâkatî kwenkwenkwezi: ndokuhlisa nalapo, utsho u-Yehova.

5 Ukuba amasela ebetê eza kuwe, ukuba amanyangaza ebetê eza ebusuku, (hayi ukunqungulwa kwakô!) ebengayi kubâ anele-na? ukuba babetê beza kuwe abavuni be-diliya, bebengayi kushiya kungabikicwayo-na?

6 Hayi ukupêngululeka kwento zakwa-Esau! hayi ukukânukwa kwezinto zakê eziqushekiweyo!

7 Onke amadoda abenqopîsene nawe akukâpile, ada esa emdeni; akulukuhlile, akweyisile amadoda abexolelene nawe; isonka sakô asenze inxeba okulalwa ngalo pantsi kwakô. Akukô kuqonda kuye.

8 Andiyi kutî-na ngalomini, utsho u-Ye-

Digitized by Google

hova, ndizitshabalalise izilumko kwa-Edom, nengqondo ezintabeni zakwa-Esau?
9 Aqîpuk' umbilini amagoŕa akô, Teman, ukuze banqanyulwe bonke ezintabeni zakwa-Esau ngokubuława.
10 Ngenxa yokumgonyamela kwakô unminawa wakô u-Yakobi kuya kukugubungeła ukudana, unqanyulwe ngonapâkade.
11 Ngemini owabumi malunga naye, mini abasemzini batîmbâ ubutyebi bakê, abolunye uhlanga beza emasangweni akê, bayenzela amaqashiso i-Yerusałem, nawe waunjengomnye wabo.
12 Mus'ukukângela kwimini yomninawa wakô ngemini yeshwangusha lakê, ungabavuyeleli onyana baka-Yuda ngemini yenxwaleko yabo; ungasineki ngemini yembândezelo.
13 Mus'ukungena esangweni łabantu bam ngemini yeshwangusha labo; ungakângeli nawe ebubini babo ngemini yeshwangusha łabo, ungasi isandla ebutyebini babo ngemini yeshwangusha labo.
14 Mus'ukuma ekwahlukaneni kwendlela, ukuze unqumle abasabayo bakubo, ungabanikeli abaseleyo bakubo ngemini yembândezelo.
15 Ngokuba isondele imini ka-Yehova kuzo zonke intlanga. Njengoko wenze ngako kuya kwenjiwa njalo kuwe; okwenzileyo kuya kubuyeła entłoko yakô.
16 Ngokuba njengoko nisele ngako entabeni yam engcwele, ziya kuhlala zisela ngokunjalo zonke intlanga, zisele zibizele, zibe njengabangabangakô.
17 Ke, entabeni ye-Tsiyon kuya kubakô okusindileyo, ibe yingcwele; indlu ka-Yakobi izihlute indawo zazo ezazihlutayo;
18 Indlu ka-Yakobi ibe ngumlilo, nendlu ka-Yosefu ibe lilangatye, indlu ka-Esau ibe zindiza, batshise pâkatî kwabo, babadle, kungabikô usalayo wasendlwini ka-Esau; ngokuba u-Yehova utêtîle.
19 Abakwełase-Zantsi bazitîmbe intaba zakwa-Esau; nabasezitâbazini bahlute ama-Filisti; bahlute isisimi sakwa-Efrayim, nesisimi sakwa-Samari; u-Benyamin ahlute elase-Giliyadi;
20 Abatînjwa bakułempi yonyana baka-Sirayeli bahlute abangama-Kanan, bade base e-Tsarefa, abatînjwa base-Yerusalem abase-Sefaradi bahlute imizi yelase-Zantsi;
21 Kunyuke abasindisi entabeni ye-Tsiyon, ukuze bazigwebe intaba zakwa-Esau, ubukumkani bube bobuka-Yehova,

---

U-YONA.

ISIQENDU I.

KEKALOKU kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yona unyana ka-Amitayi, lisitî,
2 Suk'ume uye e-Nineve, kułomzi mkûlu, umemeze ngawo; kuba indawo zawo ezimbi zinyukile zeza pâmbî kwam.
3 Wesuka u-Yona, ebalekela e-Tarshishe, esimka ebusweni buka-Yehova, wehla-ke waya e-Yafo, wafumanana nenqanawa eya e-Tarshishe, wayiŕola ingqesho yayo, wehla, wangena kuyo, ukuze aye nabo e-Tarshishe, emka ebusweni buka-Yehova.
4 Ke u-Yehova wagalelekisa umoya omkûlu elwandle; kwabakô umoya omkûlu ovutûzayo elwandle, inqanawa-leyo yanga iza kwapûka.
5 Boyika o-mateloshe, bakâla elowo kutîxo wakê; bayijulela elwandle impahla ebisenqanaweni, ukuzipûngulela bona. U-Yona-ke wayehle waya ezantsi enqanaweni, wasindwa butôngo walala,
6 Wasondela kuye umpâti wababêqi, watî kuye, Wenza-nina tôngoŕandini? vuka, ubize ku-Tîxo wakô, mhlaumbî u-Tîxo angasikûmbûla, singabûbî.
7 Batî omnye komnye, Yizani, senze amaqashiso, sazi ukuba kungenxa kabanina ukuba sibe nobububi. Benza amaqashiso, iqashiso lapuma no-Yona.
8 Batî kuye, Kâusixelele, kungenxa kabanina ukuba sibe nobububi? uyinto-nina

Digitized by Google

umsebenzi wakô? uvela pîna? lipîna izwe lakowenu? ungowabapîna abantu?

9 Watî kubo, Ndingum-Hebere; ndiyamoyika u-Yehova, u-Tîxo wezulu, owenza ulwandle nomhlaba-lo womileyo.

10 Oyika amadoda-lawo ngoloyiko olukûlu, atî kuye, Yinto-nina le uyenzileyo? Ngokuba amadoda lawo ayesazi ukuba ubaleka, esimka ebusweni buka-Yehova, kuba wayewaxelele.

11 Atî kuye, Masenze nto-nina kuwe, ukuze ulwandle ludambê, lusiyeke? kuba ulwandle belusiya lusilwa,

12 Watî kuwo, Ndifunquleni, nindijulele elwandle, ludambê ulwandle, luniyeke; kuba ndiyazi, ukuba lomoya mkûlu uvutûzayo upêzu kwenu ungenxa yam.

13 Atŷudisa emazeni amadoda ezama ukuyibuyisela emhlabeni owomileyo inqanawa; akôhlwa, kuba ulwandle lwaya lusilwa pezu kwawo ngenxa zonke.

14 Anqula u-Yehova, atî, Gxebe, Yehova, masingafî, masingafî ngompêfumlo walendoda, ungalibeki pêzu kwetû igazi elimsulwa; ngokuba wena, Yehova, wenze ngokutanda kwakô.

15 Amfunqula-ke u-Yona, amjulela elwandle; lwazola ulwandle, lwakuyeka ukujala kwalo.

16 Amadoda amoyika u-Yehova ngoloyiko olukûlu, abingelela ku-Yehova umbingelelo, abâmbâtîsa izibâmbâtîso.

17 U-Yehova wamisela intlanzi enkulu ukuba imginye u-Yona. U-Yona waba sembîlini wentlanzi imini ezintatû nobusuku obutâtû.

2 U-Yona watândaza ku-Yehova u-Tîxo wakê embîlinini wentlanzi, watî,

2 Ndakâla ku-Yehova ndisembândezelweni,
Wandipêndula;
Ndazibika ndisesiswini selabafileyo,
Waliva wena izwi lam.

3 Ngokuba waundipôsa enzulwini, embîlinini yelwandle,
Umlambô waba ngenxa zonke kum;
Adlula pêzu kwam onke amaza akô alwayo, namaza akô agugumayo.

4 Ndatî-ke mna, Ndigxotîwe pâmbî kwamehlo akô;
Noko-ke ndiya kubuya ndibêke e-tempileni yakô engcwele.

5 Andifaula amanzi ada eza empêfumlweni;
Andijikeleza amanzi enzonzobila;
Incâ yolwandle yayitî-jize intloko yam.

6 Ndehla ndaya ezikôndweni zentaba;
Wona umhlaba, imivalo yawo yandivalela ngonapâkade;
Wasuka wabunyusa esihogweni ubomi bam, Yehova Tîxo wam.

7 Ekutŷafeni kompêfumlo wam ngapâkatî kwam ndakûmbûla u-Yehova;
Wafika kuwe umtândazo wam e-tempileni yakô engcwele.

8 Abagcine amampunge angento yanto
Bashiya inceba yabo.

9 Ke mna ndiya kubingelela kuwe ndinezwi lokubulela;
Endakubâmbâtîsayo ndiya kukuzalisa.
Usindiso luku-Yehova.

10 U-Yehova watêtâ nentlanzi, yamhlanzela u-Yona emhlabeni owonileyo.

3 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Yona okwesibini, lisitî,

2 Suk'ume, uye e-Nineve, kulomzi mkûlu, umemeze ngawo umemezo enditêtâ lona kuwe.

3 Wesuka-ke u-Yona, waya e-Nineve ngokwelizwi lika-Yehova. Kekaloku i-Nineve ibi ngumzi omkûlu ku-Tîxo, iluhambô lwentsuku ezintatû.

4 U-Yona waqala wangena kulomzi uhambô losuku olunye, wamemeza, wati, Zisakuba zintsuku ezimashumi mane, i-Nineve ibûkuqwe.

5 Amadoda ase-Nineve akôlwa ku-Tîxo, amema uzilo, ambâta ezifwexayo, etâbatêla kwabakûlu bawo, esa kwabancinane bawo.

6 Lafika ilizwi-elo kukumkani wase-Nineve; wesuka e-troneni yakê, wayisusa wayibeka pântsi ingubo yakê ende, wazigubungela ngezifwexayo, wahlala pântsi elutûtwini.

7 Watî, makudandulukwe kutshiwo e-Nineve ngomtêtô kakumkani nezikûlu zakê, ukutî, Umntu nempahl' enkulu, inkomo nempahl' emfutshane, mazingevwa nento; mazingadli, mazingaseli namanzi;

8 Azigubungele ngezifwexayo umntu nempahl' enkulu, akâle ku-Tîxo ngokunamandla, abuye elowo endleleni yakê embî, elugonyamelweni olusezandleni zakê.

9 Ngubanina owaziyo ukuba angebuye

Digitized by Google

kanti azohlwaye u-Tixo, abuye ekuvutêni komsindo wakê, ukuze singabûbî?

10 U-Tixo wazibona izenzo zabo, ukuba babuyile ezindleleni zabo ezimbî; u-Tixo wazohlwaya ngenxa yobubi, abetê uya kubenza kubo; akabenza.

4 Kwaba kubi ku-Yona kakûlu, wavutâ ngumsindo.

2 Watândaza ku-Yehova, watî, Câmagu, Yehova, labe lingelilo-na ilizwi lam eli, ndisesemhlabeni wakowetû? Ngenxa yoko ndapânga ngokubalekela e-Tarshishe; ngokuba ndandisazi ukuba ungu-Tixo obabalayo, onemfesane, ozeka kade umsindo, onenceba enkulu, ozohlwayayo ngenxa yobubi.

3 Kengoku, Yehova, kâuwutâbatê umpêfumlo wam kum; kuba ukufa kum kulungile kunokuba ndidle ubomi.

4 Watî u-Yehova, Uyalungisa-na ukutî oku, uvutê ngumsindo?

5 Wapûma-ke u-Yona kuwo umzi, wahlala ngasempumalanga kuwo umzi, wazenzela kôna umnquba; wahlala ngapântsi kwawo emtûnzini, ukuze ade abone ukuba kuya kutêka-nina kuwo umzi.

6 U-Yehova u-Tixo wammisela umhlavutwa, wapûma, wenyuka wapêzu ko-Yona, ukuba ube ngumtûnzi entloko yakê, umhlangule ebubini bakê. Wawuvuyela u-Yona umhlavutwa-lowo, wavuyela kakûlu.

7 U-Tixo wamisela intlava ukutî-qipu kokusa ngengomso, yabetâ umhlavutwa-lowo, woma.

8 Kwati ekupûmeni kwelanga, u-Tixo wamisela ulopû lwasempumalanga; ilanga labetâ ku-Yona entloko, wawa isiduli, wawucelela ukufa umpêfumlo wakê, watî, Kulungile ukufa kum kunokuba ndidle ubomi.

9 Watî u-Tixo ku-Yona, Uyalungisa-na ukutî oku, uvutê ngumsindo ngenxa yomhlavutwa? Watî, Ndiyalungisa ukutî ndivutê ngumsindo kude kuse ekufeni.

10 Watî u-Tixo, Wena unenceba ngomhlavutwa, ongabulalekanga nguwo, ongawuhlumisanga, okûle ngobusuku, wadaka ngobusuku:

11 Ndingabi nanceba-na-ke mna ngenxa ye-Nineve, lomzi mkûlu, unabantu abangapêzu kwekûlu elinamanci mabini amawaka, abangakwaziyo ukunene kwabo kwikôhlo labo; kwa nempahl' enkûlu eninzi?

U-MIKA.

ISIQENDU I.

ILIZWI lika-Yehova elafika ku-Mika wase-Moreshete ngemihla ka-Yotam, ka-Ahazi, ka-Hezekiya, okumkani bakwa-Yuda, awalibonayo ngokusingisele kwelakwa-Samari ne-Yerusalem.

2 Yivani nonke, zizwe nipelâ; baz' indlebe, mhlaba nenzaliseko yawo; mayibe linqîna i-Nkosi u-Yehova ngani, i-Nkosi etempileni yayo engcwele.

3 Kuba nanko, u-Yehova epûma endaweni yakê, eya kuhla, anyatêle pêzu kwemimango yomhlaba;

4 Zinyibilike intaba pântsi kwakê, zicandeke izihlambô, njengomtwebeba pâmbî komlilo, njengamanzi epâlazwe exandekeni.

5 Konke oko kungesiŕeqo sakwa-Yakobi, kungesono sendlu ka-Sirayeli. Ngubanina obange isiŕeqo sakwa-Yakobi? Asingowakwa-Samari-na? Ngubanina obange izigânga zakwa-Yuda? Asingowase-Yerusalem-na?

6 Ngoko-ke ndolenza elakwa-Samari imfumbâ yamatye esisimi, libe zindawo zokutyala imi-diliya, ndiwapôse amatye alo emfuleni, ndizitŷile iziseko zalo;

7 Iqôtywe yonke imifanekiso yalo eqingqiweyo, lutshiswe ngomlilo lonke utsheqo lwalo, ndizicîtê zonke izitîxo zalo; ngokuba lazibutâ ngotsheqo lwehenyukazi, ziya kubuya-ke zibe lutsheqo lwehenyukazi.

Digitized by Google

8 Ngoko-ke ndiya kumbâmbâzela, ndibômbôloze; ndiya kuhambâ ndibûnyulwe, ndashiywa ndizé; ndiya kukâla njengempungutye, ndilile njengenciniba.

9 Kuba ukuxatyelwa kwalo kuyabulala; ngokuba kude kwafika nakwa-Yuda, kwada kwafika esangweni labantu bam e-Yerusalem.

10 Musan' ukukuxela e-Gati, musan' ukulila nokulila; e-Betele-afra ndizigalele ngotûli.

11 Dlulani, bemi base-Shafire, nihambê zé ngokulihlazo; abemi base-Tsanan ababûmanga; umbâmbâzelo lwase-Bete-etsele lunihluta ukuma kwenu kuyo.

12 Kuba abemi base-Maroti bazibijabija ngenxa yokulungileyo; kuba kuhle ububi bupûma ku-Yehova, beza esangweni le-Yerusalem.

13 Bopâni imbâleki enqweleni zokulwa, bemi base-Lakishe; ibi kuqala kwesono entombîni engu-Tsiyon, ukutî zifunyanwe kuyo izifeqo zakwa-Sirayeli.

14 Ngako oko uya kuyinika i-Moreshete yase-Gati inqakwe; izindlu zase-Akezibi ziya kuba ngumlambô okohlisayo kukumkani bakwa-Sirayeli.

15 Ndisaya kuyizisa indla-mafa kuni, bemi base-Maresha; baya kufika e-Adulam abazukileyo bakwa-Sirayeli.

16 Cêbani, niziguy' intloko ngenxa yonyana beziyolo zenu; kwenzeni banzi ukucêba kwenu njengokôzi; kuba betînjwe kuwe.

2 Atî-ke abo bacinga ubutshinga, basebenze ububi ezililini zabo! abatî ekukânyeni kwengomso babenze, ngokuba isandla sabo singutîxo wabo.

2 Banqwenela amasimi, bawahlute; kwa nezindlu, bazitâbatê; bacudisa umfo nendlu yakê, indoda nelifa layo.

3 Ngako oko utsho u-Yehova ukutî, Yabonani, ndicinga ububi ngalemizalwane, eningayi kuzifola intamo zenu kubo, ningahambî niqânqalaza, kuba lixesha lobubi.

4 Ngalomini kuya kwenziwa umzekeliso ngani, bameme isimema, kutîwe, Kwenzekile; sibûqiwe sabûqwa. Isahlulo sabantu bakowetû usananisile; hayi ukusisusa kwakê kum! amasimi etû uwabela amapâmbâ.

5 Ngako oko akuyi kuba naye okupôsela ulutya kwiqashiso ebandleni lika-Yehova.

6 Batî, Musan' ukuwisa intetô, bewisa intetô; ukuba abatê bawisa intetô kubo abo, akayi kubuya umva amahlazo.

7 Wena, kutîwa uyindlu ka-Yakobi, uyazekaneka-na umoya ka-Yehova? kukwenza kwakê-na oku? Akalungisi-na amazwi am kohambâ ngokutê-tye?

8 Izol' eli abantu bam basuke ngokotshaba; nibahluba ingubo ende yokwaleka kwengapântsi abadlula bekôlosile, bengatândi kulwa.

9 Abafazi babantu bam niyabagxotâ ezindlwini zeziyolo zabo; ebantwaneni babo nizitâbatîle izivatô zam ngonapâkade.

10 Sukani, nihambê; kuba asiyindawo yokupûmla kwenu; ngenxa yobunqambi bayo obonakalisayo, obonakalisayo kakûlu.

11 Ukuba bekukô umntu ohambâ nomoya, exokisa ngamanga, esitî, Ndiya kuwisa intetô kuwe ngokusingisele kwiwayini, nakwisiselo enxilisayo: ubeya kuba ngumwisi intetô kwababantu.

12 Ndiya kukuhlanganisa okunene, Yakobi upêla; okunene ndiya kuwabutâ amasalela akwa-Sirayeli; ndiya kubenza banye njengempahl' emfutshane yase-Botsera, njengomhlambî opâkatî kwedlelo lawo; baya kuxokozela ngokuba banzi kwabantu.

13 Unyuke pâmbî kwabo umgqobozi; bayagqoboza, bayangena esangweni, bayapûma kwangalo; ukumkani wabo uhambâ pâmbî kwabo, u-Yehova entloko kubo.

3 Ndatî, Kânive, zintloko zakwa-Yakobi, nani bapâti bendlu ka-Sirayeli; asikokwenu-na ukukwazi okusesikweni?

2 Nina batîyi bokulungileyo, batândi bokubi; nina bahlinzi bolusû lwabantu, nenyama yabo ematânjeni abo;

3 Nina bayidlileyo inyama yabantu bam; balobula ulusû lwabo; bawapûla amatâmbo abo, bawaxâxâ ngatî ngawembîza, ngatî yinyama kungxawu.

4 Baya kwandula bakâle ku-Yehova, angabapênduli; asuke abusitêlise ubuso bakê kubo ngeloxesha, njengoko bazenze zambî intlondi zabo.

5 Utsho u-Yehova ngokusingisele kuba-profeti ababandwendwisayo abantu bako-

Digitized by Google

wetû, abatî xa banokuhlafunwayo, baze bamemeze uxolo; batî, osukuba engafakisi nto emlonyeni wabo, bamngcwalisele imfazwe, ukutî,

6 Ngako oko niya kuba nobusuku ipûtê imibono, nibe nobumnyama kupûtê ukuvumisa; litshone ilanga kuba-profeti, ibe mnyama imini kubo;

7 Zidane imboni, babe nentloni abavumisi, bazigqubutêl' indevu bonke bepêla; ngokuba kungekô mpêndulo ka-Tîxo.

8 Ke mna ndizele ngamandla ngomoya ka-Yehova, ndizele kokusesikweni nobugoŕa, ukuze ndimxelele u-Yakobi uŕeqo lwakê, u-Sirayeli isono sakê.

9 Kânive oku, nina zintloko zendlu ka-Yakobi, nani bapâtî bendlu ka-Sirayeli, abakwenza amasikizi okusesikweni, bakujikajike konke okutê-tye;

10 Abayakâ i-Tsiyon ngamagazi, ne-Yerusalem ngobugqwetâ.

11 Intloko zayo zigweba ngenxa yesiceŋgo, nabenzeleleli bayo bayayala ngenxa yomvuzo, naba-profeti bayo bavumisa ngenxa yemali; baze bayame ngo-Yehova, besitî: U-Yehova akapâkatî kwetû yinina? Asikuzelwa bubi.

12 Ngako oko ngenxa yenu iyakulinywa i-Tsiyon ibe yintsimi; i-Yerusalem ibe yimiwewe, intaba yayo indlu ibe yimimango yehlatî.

4 Kekaloku ekupêleni kwemihla intaba yendlu ka-Yehova iya kuzinza encotsheni zazo intaba, yona izipâkamele induli, zibe ngumsinga ukuya kuyo izizwe;

2 Zihambê intlanga ezininzi, zitî, Hambâni, sinyuke siye entabeni ka-Yehova, endlwini yo-Tîxo ka-Yakobi, ukuze asiyalele indlela zakê, sihambê ngomendo wakê; kuba uya kupûma e-Tsiyon umyalelo, nelizwi lika-Yehova e-Yerusalem,

3 Agwebe pâkatî kwezizwe ezininzi, ohlwaye intlanga ezinamandla ade ase kude, ziwakânde amarele azo abe ngamakûba, nezikâli zazo zibe zitshetshe zokutêna imi-diliya; uhlanga aluyi kupâkamisela kuhlanga iŕele lalo, bangabi safunda ukulwa.

4 Bahlale elowo pântsi kom-diliya wakê, napântsi komkîwane wakê, kungabikô uboyikisayo; kuba umlomo ka-Yehova wemikôsi utêtîle.

5 Kuba zonke izizwe zihambâ son'eso ngegama lotîxo waso; tîna-ke sihambâ ngegama lika-Yehova u-Tîxo wetû ngonapâkade kanapâkade.

6 Ngayo lomini, utsho u-Yehova, ndiya kubahlanganisa abaqwalelayo, ndibabutê abagxotîweyo nabendibapêtê kakubi;

7 Ndibenze abaqwalelayo babe ngamasalela, nabakweleliselwe kude babe luhlanga olunamandla, abe ngukumkani kubo entabeni ye-Tsiyon u-Yehova kususela ngoku kude kuse epâkadeni.

8 Wena-ke nqaba ende yomhlambî, nduli yentombî engu-Tsiyon, luya kuza lufikelele kuwe olwangapâmbîli ulaulo lokuba bubukumkani bentombî engu-Yerusalem.

9 Ngoku-nje ukâlela-nina ngokukukâla? Akakô-na-ukumkani kuwe, umcebisi wakô ubûbile-na ukuba ubanjwe-nje kukuzibijabija njengozalayo?

10 Zibijabije, ubânyalaze njengozalayo, ntombî engu-Tsiyon; ngokuba ngoku uya kupûma pâkatî komzi, uhlale endle ude uye e-Babeli; uya kuhlangulwa kôna; uya kukukûlula kôna u-Yehova esandleni sentshaba zakô.

11 Ngoku-ke kuhlanganisene intlanga ezininzi ngawe, zisitî, Mayihlanjelwe, ayibone amehlo etû i-Tsiyon.

12 Ke zona ezi azizazi ingcinga zika-Yehova, aziliqondi icebo lakê; kuba uzibutîle njengezitûngu zesandâ.

13 Suk'ume ubûle, ntombî engu-Tsiyon, kuba upôndo lwakô ndilwenza isinyiti, nempupû zakô ndizenze ubêdu, ucole intlanga ezininzi, uyisingele pântsi ku-Yehova inzuzo yazo embî, ndibusingele pântsi kwi-Nkosi yomhlaba wonke ubutyebi bazo.

5 Kaloku ngungelanani, ntombî yongungelwano; bayasingqinga, babetâ ngentonga esidleleni nakumgwebi wakwa-Sirayeli.

2 Ke wena Betelehem-efrata, umncinane kunokuba ubekô emawakeni akwa-Yuda; noko-ke kupûma kuwe eze ngenxa yam oya kuba ngumlauli kwa-Sirayeli, ozipûmo zakê zisusela kumandulo, zisusela kwimihla yasepâkadeni.

3 Ngako oko uya kubanikela kude kube lixesha lokuzala kozalayo, ade abuye a-

Digitized by Google

masalela abazalwana bakê kunye nonyana baka-Sirayeli;

4 Eme, alûse enamandla ka-Yehova, enobungangamsha begama lika-Yehova u-Tîxo wakê; bahlale; ngokuba ngoku uya kuba mkûlu ese ezipêlweni zomhlaba.

5 Abe luxolo lowo. Xa u-Asuri azileyo ezweni lakowetû, xa anyatêlayo ezingxandeni zetû ezinde: siya kumisela abalûsi abasixênxe nenkosi zabantu ezisibôzo zimelane naye;

6 Balalûse ilizwe lakwa-Asuri ngeŕele, nelizwe lakwa-Nimrodi emasangweni alo; asihlangule kuma-Asuri, xa azileyo ezweni lakowetû, xa anyatêlayo emideni yetû;

7 Amasalela akwa-Yakobi abe pâkatî kwezizwe ezininzi njengombetê opûma ku-Yehova, njengamatôntsi emvula etyanini, ongatêmbêle mntwini, engalindele konyana baka-Adam;

8 Amasalela akwa-Yakobi abe sezintlangeni, pâkatî kwezizwe ezininzi, njengengonyama pâkatî kwenyamakazi zehlatî, njengengonyama entsha pâkatî kwemihlambî yegusha, yona itî ingacanda kuzo, isuke inyashe iqwenge, kungabikô mhlanguli.

9 Masipâkame isandla sakô sibe pêzu kwababandezeli bakô, zinqunyulwe zonke intshaba zakô.

10 Kotî ngalomini, utsho u-Yehova, ndiwanqumle amahashe akô, angabikô pâkatî kwakô, ndizitshabalalise inqwelo zakô zokulwa;

11 Ndiyinqumle imizi yelizwe lakowenu, ndizigungxule zonke inqaba zakô;

12 Ndibanqamle abakâfuli bangabikô esandleni sakô; amatola angabikô kuwe;

13 Ndiyinqumle imifanekiso yakô eqingqiweyo nezimiso zakô zamatye, zingabikô pâkatî kwakô; ungabi saqubuda kumsebenzi wezandla zakô;

14 Ndibanyotûle o-Ashera bakô, bangabikô pâkatî kwakô; ndiyitshabalalise imizi yakô;

15 Ndipîndezele ndinomsindo, ndishushu ezintlangeni ezingevayo.

6 Kânive akutêtâyo u-Yehova, utî, Suk'ume, ubambâne nentaba, nenduli zilive izwi lakô.

2 Yivani, zintaba, ukubambâna kuka-Yehova, nani zimakade, ziseko zomhlaba; kuba u-Yehova ubambêne nabantu bakê, uya kupîkisana nama-Sirayeli.

3 Bantu bam, ndenze nto-nina kuni? ndinidinise nganto-nina? ndipênduleni.

4 Ngokuba ndaninyusa ezweni lase-Yiputa, ndanikûlula endlwini yamakôboka, ndatûma pâmbî kwenu o-Moses, no-Aron, no-Miriyam.

5 Bantu bam, kânikukûmbûle ukucebisa kuka-Balaki ukumkani wakwa-Mowabi, nokupêndula kuka-Bileham unyana ka-Behori, etâbatêla e-Shitim, wada wesa e-Giligali, ukuze niyazi imisebenzi ka-Yehova yobulungisa.

6 Ndiya kumkâulela u-Yehova, ndinanto-nina? ndiya kuzigoba-na ku-Tîxo opêzulu? ndiya kumkâulela ndinamadini anyukayo-na, ndinamatôle amnyaka mnye-na?

7 Wokôliswa-na u-Yehova ngamawaka enkunzi zezimvu, ngamawaka alishumi emilambô ye-oli? Ndofola owamazibulona ngenxa yesifeqo sam, isiqâmo somzimbâ wam-na ngenxa yesono sompêfumlo wam?

8 Uxelelwe, mtundini, okulungileyo; akubizayo u-Yehova kuwe, kukutî wenze okusesikweni, utânde inceba, uhambê no-Tîxo wakô ngokutôzamileyo.

9 Izwi lika-Yehova libêkisa kuwo umzi ukubiza, igama lakô liyayibona eyona nto iyiyo. Yiveni intonga, nalowo uyiyalelayo.

10 Busekô-na ubuncwane bokungendawo endlwini yongendawo, ne-efa edlekileyo ebâvunyelweyo?

11 Ndoqaqambâ-na ndinezi-kali zokungendawo, ndinenxôwa yamatye enkohliso?

12 Kuba izityebi zakôna zizele lugonyamelo, nabemi bakôna batêtê ubuxoki, nolwimi lwabo lube nenkohliso emlonyeni wabo.

13 Nam-ke ndikuxabele ngokubulalayo ndikupânzisile ngenxa yezono zakô.

14 Wena uya kudla, ungahluti, uhlale unepângo; usabise, ungasindisi; nokusindileyo ndikunikele ereleni.

15 Wena uya kuhlwayela, ungavuni; wena uya kuxovula umnquma, ungazitâmbîsi nge-oli; uxovule i-wayini entsha, ungaseli wayini.

16 Bazigcinela imimiselo ka-Omri, nezenzo zonke zendlu ka-Ahabi, nisuke ni-

Digitized by Google

hambê ngamacebo abo; ukuze ndinenze ummangaliso, nabemi bayo babe ngumsondlo; ngoko niya kutŵala ukungcikivwa kwabantu bam.

7 Ati-ke mna! kuba ndisuke ndaba njengokuhlanganiswa kweziqâmo zasehlotyeni, njengokubikicwa kwe-diliya; akukô sihloko sakudliwa; akukô kîwane liqalelayo, linqwenelwayo ngumpêfumlo wam.

2 Udakile owenceba, akabakô emhlabeni, akasekô notê-tye pâkatî koluntu; bonke bepêla balalela igazi, elowo uzingela umzalwana wakê ngomnatâ.

3 Izandla zabo zozibini zisentweni embî ukuba ziyifeze; utî umtêtêli acele ngegunya, umgwebi wenzela umvuzo; omkûlu yena utêtâ ubûbî bompêfumlo wakê; benjenjalo-ke uyipôta;

4 Olungileyo kubo unjengomtôlo, otêtye ugqitisele nakutângo lweminga; iyeza imini yababoniseli bakô, yokuvelelwa kwakô, kubekô ngoku ukudideka kwabo.

5 Musan' ukukôlwa nguwenu, ningakôlosi ngekôlwane; nakolele esifubeni sako zigcine ingcango zomlomo wakô;

6 Ngokuba unyana umenza isidenge uyise, intombî isukela pêzulu kunina, umolokazana kuninazala; intshaba zomntu ngabantu bendlu yakê.

7 Mna-ke ndiya kuqwalasela ku-Yehova; ndiya kulinda ku-Tîxo wokusindiswa kwam; uya kundiva u-Tîxo wam.

8 Mus'ukundivuyelela, lutshaba lwam; kuba ndiwile-nje, ndiya kubuya ndivuke; kuba ndihleli emnyameni-nje, u-Yehova uya kuba kukukânya kum.

9 Ukujala kuka-Yehova ndiya kukutŵala, kuba ndonile kuye, ade anditêtêlele etyaleni lam, andilungisele; uya kundikûpêla ekukânyeni, ndiya kububona ubulungisa bakê.

10 Ke utshaba lwam luya kubona, lugutyungelwe kudana obelusitî kum, Upîna u-Yehova u-Tîxo wako? Amehlo am aya kulubona; kungoku luya kunyatêlwa njengodaka lwezi-trate.

11 *Iyeza* imini yokwakiwa kwendonga zakô; ngalomini uya kuba kude ummiselo.

12 Ngalomini boza kuwe, bevela kwa-Asuri nasemizini yase-Yiputa, betâbatêla e-Yiputa, bade base kuwo um-Lambô; betâbatêla elwandle, base elwandle; betâbatêla entabeni base entabeni;

13 Libe senkangala elizweni ngenxa yabemi balo, ngenxa yeziqâmo zentlondi zabo.

14 Yalûsa abantu bakô ngentonga yakô, igusha zelifa lakô, ezihleli zodwa, ehlatîni pâkatî kwe-Karmele; mazidle e-Bashan nakwelase-Giliyadi ngokwemini zasepâkadeni.

15 Ngokwemini zokupûma kwakô ezweni lase-Yiputa ndiya kubabonisa imisebenzi ebalulekileyo.

16 Intlanga ziya kubona, zibudanele ubugofa bazo bonke, ziya kubeka isandla emlonyeni, indlebe zazo ziya kuba zitûlu.

17 Ziya kukôta utûli njengenyoka, njengezinambûzane zomhlaba; ziya kupûma zigungqa ekuvingcelweni kwazo, ziya kuya zinkwantya ku-Yehova u-Tîxo wetû, zoyike pâmbî kwakô.

18 Ngubanina ongu-Tîxo onjengawe, oxolela ubugwenxa, adlule esifeqweni samasalela elifa lakê? akawugcini unapâkade umsindo wakê; kuba yena utânda ukwenza inceba.

19 Wobuya abe nemfesane kutî, abunyatêlele pântsi ubugwenxa betû; wozipôsa ezinzulwini zolwandle zonke izono zabo.

20 Uya kumnika u-Yakobi inyaniso, inceba u-Abraham, owabafungela yona obawo kususela kwimihla yamandulo.

Digitized by Google

U-NAHUM.

ISIQENDU I.

IZIHLABO ezisingisele kwi-Nineve. Incwadi yombono ka-Nahum wase-Elekoshe.

2 U-Yehova ngu-Tixo onobukwele opîndezelayo, u-Yehova ngumpîndezeli obushushu bukûlu; u-Yehova ngumpîndezeli kubacâsi bakê, intshaba zakê ewugcinela umsindo wakê.

3 U-Yehova uzeka kade umsindo, mkûlu-ke ngamandla, ongakê amenze msulwa *onetyala;* u-Yehova indlela yakê isesaqwitini nasemoyeni ovutûzayo, namafu alutûli lwenyawo zakê.

4 Ukâlimela ulwandle, alutshise, ayomise nemilambô yonke; intshwenyile i-Karmele ne-Bashan, intshwenyile intyantyambô yase-Lebanon.

5 Intaba ziyanyikima pâmbî kwakê, nenduli ziyanyibilika; uyafukuka umhlaba ebusweni bakê, elimiweyo nabemi bonke abakulo.

6 Ngubanina ongemayo? pâmbî kobâvumo lwakê? ngubanina ongazipâkâmisayo ekuvutêni komsindo wakê? Ubushushu bakê bupâlazeka njengomlilo, namawa ayadilizwa nguye.

7 U-Yehova ulungile, uligwiba ngemini yembândezelo; uyabazi abazimela ngaye.

8 Ke uyayipêlisa indawo yayo ngomkûkula, ehambâ pândle azisukele intshaba zakê emnyameni.

9 Nicinga nto-nina ngo-Yehova? uyapêlisa yena; imbândezelo ayisayi kupâkama izihlandlo ezibini.

10 Kuba bofanelana bepinyelene ngokwezipîngo, benxila yi-wayini yabo emnandi: baya kudliwa kupêle njengendiza ezomileyo.

11 Kupûme kuwe ocinga okubi ngo-Yehova, oceba ubutshijolo.

12 Utsho u-Yehova ukutî, Noko bapêleleyo, bebaninzi nokuba baninzi, baya kusikwa noko benjalo, badlule. Ndikucinezele-nje, andiyi kupînda ndikucinezele.

13 Ngoku-ke ndiya kuyapûla i-dyokwe yakê, ingabikô kuwe; ndiziqâule izi-tropu zakô.

14 Ke u-Yehova uwise umtêtô ngawe wokuba akusayi kuba sahlwayelwa nto inegama lakô; endlwini yotîxo wakô ndiwunqumle umfanekiso oqingqiweyo notŷidiweyo; ndiya kulenza incwaba lako; kuba wafunyanwa lula.

15 Yabonani, zisezintabeni inyawo zabashumayela indaba ezilungileyo, abavakalisa usindiso! Yenza imitêndeleko yakô, Yuda, zalisa izibâmbâtîso zakô; ngokuba akasayi kubuye acande kuwe olitshijolo; unqunyulwe kwapêla.

2 Kunyuke umhlekezi, weza pâmbî kwakô, *Nineve;* londoloza inqaba yakô, bonisela endleleni, qinisa izinqe, kûpâ amandla kunene.

2 Ngokuba u-Yehova ulibuyele iqâyiva lakwa-Yakobi ngokweqâyiya lakwa-Sirayeli; ngokuba abatî qongqololo batê qongqololo, bawonakalisile amasebe abo emi-diliya.

3 Ingweletshetshe yamagofa akê yenziwe ingqombêla, amadoda anoburoti atûwewambû ngezibomvu; inqwelo zokulwa zinomlilo opûma ezintsimbîni ngemini yokuxôba kwakê, izinto zemi-sipresi ziyatyityimbâ.

4 Inqwelo zokulwa ziyadlongozela ezitrateni, ziyagilana emabaleni; ukubonakala kwazo kunjengezikûni ezitshangaziswayo, zibaleka njengemibane.

5 Ukûmbûle ingangamsha zakê; ziya kukûbeka ekuhambêni kwazo; zinxâmela eludongeni lwayo, selimisiwe ikûselo.

6 Amasango asemilanjeni avuliwe, linyibilikile ibôtwe.

7 Kugqityiwe kwelokuba iya kuhlutywa, imkiswe, nabakônzazana bayo badumzele ngokwezwi lamahobe, bebetâ ezifubeni zabo.

8 I-Nineve injengecîbi lamanzi kususela koko yabakôyo; bayabaleka noko; kuba ngatîwa, Yimani, yimani, hayi, akubikô upêtûlâyo.

9 Pângani i-silvere, pângani i-golide; a-

Digitized by Google

kunakupêla ukuxôtyiswa ngobuninzi bempahla zonke ezinqwenelekayo.

10 Kutê-qongqololo, kwatî qongqololo, kwaba selubala; intliziyo inyibilikile, amadolo ayagevezela, zinimbâ emanqeni onke, ubuso bonke bupelâ buba lutûtû.

11 Sipîna isikûndla sengonyama, nedlelo-elo lengonyama ezintsha, ebilihambâ ingonyam-induna nengonyamakazi, itôle lengonyama, kungekô wetûsayo?

12 Ingonyama-le eqwenga okwanele amatôle ayo, irwitshela ingonyamakazi zayo, izalise iminxuma yayo ngexôba, nezikûndla zayo ngento eqwengiweyo.

13 Utî u-Yehova wemikôsi, Yabona, ndikucâsile, ndizitshise inqwelo zakô zokulwa zibe ngumsi, irele lizidle ingonyama zakô ezintsha, ndilinqumle emhlabeni ixôba lakô, lingabi savakala izwi labatûnywa bakô.

3 Yeha umzi wamagazi! Uzele kwapêla luhanahaniso nakudlavula; akumki kuwo ukuqwenga.

2 Isitônga seziniya nesitônga sokuqokoza kwe-vili; nokupâla kwamahashe, nokuxûma kwenqwelo zokulwa;

3 Abamahashe besenza amagqasi, ukubengezela kwamarele, nokumenyezela kwezikâli; ukuba baninzi ababuleweyo, izigigaba zabafileyo; ewe azinakupêla izidûmbû; bayakûbeka ezidûmbîni zabo;

4 Ngenxa yobuninzi bezihenyuzo zehenyukazi elihle elinesoya, umnikazi-kukâfula, otêngisa intlanga ngezihenyuzo zakê, nemizalwane ngokukâfula kwake.

5 Utî u-Yehova wemikôsi, Yabona, ndikucâsile, ndozityila ingubo zakô, ndizipôse pêzu kobuso bakô, ndizibonise intlanga ubuzê bakô; ndizibonise izikumkani ukucukuczwa kwakô;

6 Ndikugalele ngezinto ezinezotê, ndikwenze inqambî, ndikwenze ube njengento ebonelwayo.

7 Kutî, bonke abakubonayo, bakubaleke, batî, I-Nineve ibûqekile; ngubani-na oya kuyikûza? ndokufunela pîna abatûtûzeli?

8 Uyidlule ngokulunga yinina i-No ka-Amon, eyamisa emijelweni yom-Nayile, amanzi engenxa zonke kuyo; elunqâmeko lwayo ibi lulwandle, udonga lwayo lululwandle?

9 Aye ngamandla ayo ama-Kushi kwa nama-Yiputa, enge nakupêla ndawo-ke; ama-Puti nama-Lubi aye ngabancedisi bayo.

10 Nayo-ke leyo yafuduswa, yatînjwa, nentsana zayo zacunyuzwa ezimbônjeni zezi-trate zonke; amadoda azukileyo kuyo bawenzela amaqashiso, bonke abakûlu kuyo babakônxa ngemixokelelwane.

11 Nawe lo uya kunxila, uya kufihlakala; nawe lo uya kufun' igwiba ngenxa yotshaba.

12 Zonke inqaba zakô ziyimikîwane enamakîwane aqalelayo; ukuba avutûlulwe, owa emlonyeni wowadlayo.

13 Yabona, abantu bakô bangamankazana pâkatî kwakô apô; avulekile avulekela intshaba zakô amasango elizwe lakô; umlilo utshisa imivalo yakô.

14 Zikêlele amanzi ongqingo, qinisa inqaba zakô; ngena eludakeni uxovule udongwe, lungisa iziko lokutshisa izi-tena.

15 Kôn'apô umlilo uya kukutshisa; irele liya kukunqumla, liya kukudla njengenkumbî ekôtululayo. Zandise njengenkumbî ekôtululayo, zandise njengenkumbî eyandayo;

16 Ubandisile-ke abafwebi bakô ngapêzu kwenkwenkwezi zezulu; inkumbî ekôtululayo igalelekile, yabûnyula, yabaleka yemka.

17 Abaluluhle bakô banjengenkumbî eyandayo, abatêtêli bakô banjengemiqikela ngemiqikela yenkumbî, ezihalisa ezintangweni mhla ngengqele; litî lingapûm' ilanga, zibaleke zimke, ingazeki indawo yazo, ukuba zipîna.

18 Balele abalûsi bakô, kumkani Asuri; zilele pântsi ingangamsha zakô; batêpângalala abantu bakô ezintabeni, akukô ubabutâyo.

19 Akuhlangani ukwapûka kwakô; inxeba lakô lelibulalayo; bonke abazivayo indaba zakô babetâ izandla ngawe; ngokuba ngubanina ezingadlulanga pêzu kwakê izinto zakô ezimbî ngamaxesha onke?

Digitized by Google

U-HABAKUKI.

ISIQENDU I.

IZIHLABO awazibonayo u-Habakuki umprofeti.

2 Kuninina, Yehova, ndizibika, ungeva? ndikâla kuwe ndisitî, Ugonyamelo, ungasindisi.

3 Yinina ukuba undikângelise ubutshinga, ukondele okubi? Yimbûqo nogonyamelo pâmbî kwam; kukô ubambâno, kupâkame ingxabano.

4 Ngenxa yoko uyekelelwa umyalelo, ukuze kungaveli napâkade okusesikweni; kuba abangendawo bayawafaula amalungisa; ngenxa yoko okusesikweni kupûma kujikekile.

5 Kângelani pâkatî kwentlanga, nondele, ningakûlumi nokukûluma; ngokuba ndiya kusebenza umsebenzi ngemihla yenu, eningayi kukôlwa nguwo, nokuba niyawubaliselwa.

6 Kuba yabonani, ndixôxâ ama-Kaledi, uhlanga olulugcalagcala oluyintshakavula, oluhambâ nobubanzi bomhlaba, ukuze luhlute amakâya angewalo.

7 Luyadengisa luyoyikeka; kupûma kwakulo okusesikweni kwalo nokupâkama kwalo.

8 Anamendu ngapêzu kwezingwe amahashe alo, aqubula ngapêzu kwencûka zangokuhlwa; bayapâlisa abamahashe balo; abamahashe balo beza bevela kude, betshwebelele njengokôzi olukâulezayo ukuza kudla.

9 Bonke bepêla beza ngokugonyamela; ubuso babo buzamela pâmbîli; bahlanganisa abatînjwa njengentlabati.

10 Bona bacukuceza okumkani, nezidwangube ziyintlekisa kubo; bona bayazihleka inqaba zonke; bafumbâ utûli, bazitî-hlasi.

11 Bandule bakûkule ngokomoya, badlule, bazele ityala; lamandla ababe ngutîxo wabo.

12 Wena akunguye-na owasusela kwakumandulo, Yehova, Tîxo wam, ung-Oyingcwele wam? asiyi kufa. Yehova, ubamisele ukuba bagwebe; Liwa, ubaseke ukuba bohlwaye.

13 Wena ungomehlo ahlambûlukileyo, ukuba angayikângeli into embî, ungabi nakukondela okubi: ubondele nganina-ke abanginizi ukuba utî-cwaka-nje, ongendawo amginyayo olilungisa kunaye?

14 Ulwenze-ke uluntu lwanjengentlanzi zaselwandle, njengezinambûzane ezinge namlauli.

15 Bonke bepêla babanyusa ngeqefu labo; babaqweqwedisa ngomnatâ wabo, babahlanganise ngomnatâkazi wabo; ngenxa yoko bayavuya, bagcobe.

16 Ngenxa yoko babingelela kumnatâ wabo, baqûmisele kumnatâkazi wabo; kuba sityebe ngezonto isahlulo sabo, nokudla kwabo kwaba ngamanqatâ.

17 Baya kuwukûpêla-na ngenxa yoko umnatâ wabo, bahlale bebulala intlanga, bangacongi-na?

2 Ndiya kuma embôniselweni yam, ndizibeke pêzu kwenqaba, ndibonisele ukuba ndiyibone into aya kuyitêtâ kum, nento endiya kupêndula yona ngenxa yesimangalo sam.

2 Wandipêndula-ke u-Yehova, watî, Bâla umbono, uwurole kakuhle emacwecweni, ukuze abaleke owulesayo.

3 Kuba umbono usaya kuba ngowexesha elimisiweyo, ukaulezela ekupêleni, angatêtî wona amanga; ukuba utê wazilazila, wulinde, kuba uya kuza, awuyi kubuya umva.

4 Yabona, ugxalatêlene, awutê-tye umpêfumlo wakê pâkatî kwakê; ke lona ilungisa liya kudla ubomi ngokôlo lwalo.

5 Napêzu koko, i-wayini ngumtshinizisi, umfo okûkumeleyo, akahlali; yena owandisileyo umbilini wakê njengelabafileyo, abe enjengokufa, enganeliswa, koko ezihlanganisela kuye intlanga zonke, azibutêle kuye izizwe zonke.

6 Aziyi kuwenza umzekeliso ngaye yinina, zonke ezo zipêla zimkwekwele, zimntsonkotela? zisitî, Uha lowo wandisa okungekwake! kuninina? esenje njalo ezisindanisa ngezibambîso!

7 Abakudlayo abayi kusuka beme ngesiqupê yinina, bavuke abakuqungaqungayo, ube ngamaxôba kubo?

Digitized by Google

8 Ekubeni wena ubûnyule intlanga ezininzi; aya kukubûnyula onke amasalela ezizwe, ngenxa yamagazi oluntu, nokuligonyamela kwakô ilizwe nomzi nabemi bawo bonke.

9 Yeha oyizuzela indlu yakê inzuzo embî, ukuze ayakêle pêzulu indlu yakê, ukuze azihlangule esandleni sobubi!
10 Uyicebele ihlazo indlu yakô, ngokunqamla izizwe ezininzi, wonile kumpêfumlo wakô.
11 Ngokuba ilitye eliseludongeni liya kukâla, nomqadi womtî usabele kulo.

12 Yeha-ke owakâ umzi ngamagazi, oqinisa umzi ngobugqwetâ!
13 Yabona, akupûmi ku-Yehova wemikôsi-na ukutî izizwe zizixâmlele umlilo, izizwe zizityafisele okulambâtâyo?
14 Kuba umhlaba uya kuzala kukwazi ubuqaqauli buka-Yehova njengamanzi egubungele ulwandle.

15 Yeha wena useza uwenu, usongezelela ubushushu bakô kuye, umnxilisa nokumnxilisa, ukuze ubondele ubuzé bakê!
16 Uyakuhlutiswa ngocukucezo, kungabi luzuko; sela nawe, kubonakale ukungaluki kwakô; iya kujikela kuwe indebe yesokunene isandla sika-Yehova, lucukucezo olukûlu lube pêzu kozuko lwakô.
17 Ngokuba ukugonyamela kwakô i-Lebanon kokugubungela, nokucîtâcîtâ kwakô inyamakazi okwaziqîpûl' umbilini, ngenxa yamagazi oluntu nokuligonyamela kwakô ilizwe nomzi nabemi bawo bonke.

18 Unceda nto-nina umfanekiso oqingqiweyo, ukuba awuqingqe-nje umenzi wawo? unceda nto-nina otyidiweyo, nomyali wobuxoki, ukuba umyili wento ayiyilileyo akôlosile-nje ngayo, ukuze enze into ezinge nto ezizidenge?
19 Uha kotî emtîni, Vuka; atî kwilitye elitê-cwaka, Suk'ume! Lingayalana? Nalo lifakwe e-golideni nase-silvereni; akukô nto ingumoya pâkatî kwalo.
20 U-Yehova-ke yena use-tempileni yakê engcwele, mawutî-tu ebusweni bakê wonke umhlaba.

3 Umtândazo ka-Habakuki um-profeti, nge-shigayon.

2 Yehova, ndiluvile udaba lwakô, ndoyika;
Yehova, wupîlise umsebenzi wakô pâkatî kweminyaka,
Wazise pâkatî kweminyaka;
Ekugugumeni *kwakô* kûmbûla inceba.
3 U-Tîxo uza evela kwa-Teman,
Oyingcwele evela ezintabeni zase-Paran. (Pâkamisani.)
Igubungele amazulu indili yakê,
Umhlaba uzele yindumiso yakê.
4 Ubuhlope bakê busuke baba njengokukânya;
Yimitâ emacaleni akê;
Kulapô-ke ukuzimela kwamandla akê.
5 Pâmbî kwakê kuhambâ indyikitya yokufa,
Kulandele icesina ezinyaweni zakê.
6 Umi wawushukumisa umhlaba;
Ukângele wazishukumisa intlanga;
Zankumenkume intaba zanini,
Zasibekeka induli zasepâkadeni;
Indlela zakê yena zisepâkadeni.
7 Ndibone in-tente zakwa-Kushan, zisexâmlekeni;
Amalengalenga ezwe lakwa-Midiyan adidizela.
8 Yabe iyimilambô-na, Yehova,
Yabe iyimilambo kusinina, owavutâ ngayo-na umsindo wakô?
Yabe ilulwandle kusinina,
Owapûpûmela lona umsindo wakô,
Ukuze-nje ukwele emahasheni akô,
Enqweleni zakô zokusindisa?
9 Sizihlubile sazihluba isapetâ sakô;
Zifungelwe ilizwi intonga *zokohlwaya*. (Pâkamisani.)
Umhlaba uwugqoboza imilambô.
10 Zikubonile, ziyakwantya intaba;
Kudlule isipângo samanzi;
Amanzi anzongonzongo akûpâ isandi sawo,
Azipâkamisela pêzulu izandla zawo.
11 Latshona ilanga nenyanga ekâya lazo,
Ngokukânya kwentolo zakô ezihambâyo,
Ngobuhlope bokubengezela kwezikâli zakô.

Digitized by Google

12 Ulinyatêla ubâvuma ilizwe,
Unyashe intlanga unomsindo.
13 Upûme ukuba usindise abantu bakô,
Ukuba usindise umtânjiswa wakô,
Upâluse intloko endlwini yongendawo,
Usihlube isiseko sakê, ude use entanyeni. (Pâkamisani.)
14 Uyihlabe ngentonga zakê intloko yezimpi zakê,
Ezigaleleka zisiza kundicitâ;
Ezikuvuyelela kwazo ngatî ziza kudla olusizana entsitêlweni.
15 Unyatêle ulwandle ngamahashe akô,
Unyatêle isidimbîlili samanzi amaninzi.

16 Nditê ndakuva, saxuxuzela isisu sam,
Umlomo wam wabebezela sesositônga;
Kwangena impehla ematânjeni am,
ndagungqa apô ndimi kôna,
Ukuba ndilindele imini yembândezelo;
Eza ebantwini oya kubangenela.
17 Ngokuba umkîwane awusokutyatyambâ,
Kungabikô ndyebo emi-diliyeni;
Isiqâmo somnquma sihgabi siso,
Amasimi angabi nakudla,
Ipêle esibayeni impahl' emfutshane,
Kungabikô nkomo e-stalini.
18 Mna-ke ndiya kudlamka ndiku-Yehova,
Ndigcobe ndiku-Tîxo umsindisi wam.
19 Ungamandla am u-Yehova i-Nkosi,
Uzenza inyawo zam zibe njengezamaxâmakazi,
Andinyatêlise emimangweni yam.

Kumonganeli owokubetêlwa izinto esinentambo.

U-TSEFANIYA.

ISIQENDU I.

ILIZWI lika-Yehova elafika ku-Tsefaniya unyana ka-Kushi, unyana ka-Gedaliya, unyana ka-Amariya, unyana ka-Hezekiya, ngemihla ka-Yosiya unyana ka-Amon, ukumkani wakwa-Yuda.

2 Ndiya kususa ndiyisuse into yonke emhlabeni, utsho u-Yehova.
3 Ndiya kususa abantu nenkomo; ndiya kususa intaka zezulu, nentlanzi zolwandle; nezikûbekiso kunye nabangendawo; ndibanqamle abantu emhlabeni, utsho u-Yehova;
4 Ndisolule isandla sam pêzu ko-Yuda, napêzu kwabemi bonke base-Yerusalem, ndinqamle kuyo lendawo amasalela akwa-Bahali, negama labenzeleleli[1] abange ngabo kunye nabenzeleleli,
5 Nabaqubuda kumkôsi wezulu pêzu kwezindlu, nabaqubudi abazinikela ku-Yehova ngesifungo, bafunge ukumkani wabo,
6 Nababuya umva ku-Yehova, nabangamfunanga u-Yehova, abangamquqelanga.

7 Yitîni-tu ebusweni be-Nkosi u-Yehova; ngokuba isondele imini ka-Yehova; kuba u-Yehova ulungise umbingelelo, ungcwalise abamenywa bakê.
8 Kutî ngemini yombingelelo ka-Yehova, ndibavelele abatêtêli, nonyana bokumkani, nabo bonke abambâtâ izambâtô zolunye uhlanga;
9 Ndibavelele ngalomini bonke abatsiba embundwini womnyango, abazalisa indlu yenkosi yabo ngogonyamelo nenkohliso.
10 Kotî ngalomini, utsho u-Yehova, kuvele izwi lokukâla esangweni lentlanzi, kuvele nokubômbôloza kwesesibini isihlulo somzi, kuvele ukuqêkeka okukûlu ezindulini.
11 Bômbôlozani, bemi basemgongxweni, kuba badakile bonke abantu bakwa-Kanan, banqunyulwe bonke abatwali besilvere.
12 Kutî ngeloxesha, ndiyigqutâgqutê i-Yerusalem ndinezibane, ndiwavelele a-

[1] Umbingeleli kwi-Test. entsha, okunye um-priste.

Digitized by Google

madoda agovalele entsipeni zawo, atshoyo ukutî ezintliziyweni zawo, U-Yehova akenzi kulungileyo, akenzi nakubi.

13 Ubutyebi bawo buya kudywidwa, nendlu zawo zibe ngamanxuwa; akê izindlu, angazihlali; atyale izi-diliya, angayiseli i-wayini yazo.

14 Isondele imini enkulu ka-Yehova, isondele ikâulezile kakûlu. Yivani! imini ka-Yehova; liyakâla ngokuŕaŕa kôna igoŕa.

15 Lomini yimini yokupûpûma komsindo, yimini yembândezelo nocutêko, yimini yentshabalala yakwantshabalala, yimini yobumnyama nesitôkôtôkô, yimini yamafu namafu amnyama,

16 Yimini yesigodlo nokuhlab' umkôsi emizini enqatyisiweyo naseluqoqweni olude.

17 Ndibabandezele abantu, bahambê ngokwemfama, kuba bônile ku-Yehova; lipâlazwe igazi labo njengotûli, nenyama yabo njengobulongo.

18 Ne-silvere yabo ne-golide yabo ayisakuba nako ukubahlangula ngemini yokupûpûma komsindo ka-Yehova; wotshiswa wonke umhlaba ngumlilo wekwêle lakê; ngokuba uya kubapêlisa, inene, abenze into ekwanqisayo bonke abemi bomhlaba.

2 Zihlanganiseni nizihlanganise, luhlangandini lungadaniyo;

2 Ungekazali ummiselo, (*kuba* imini-le idlula njengomququ,) kungekanifikeli ukuvutâ komsindo ka-Yehova, ingekanifikeli imini yomsindo ka-Yehova.

3 Funani u-Yehova, nonke balulamileyo belizwe, bakwenzileyo okusesikweni kwakê; funani ubulungisa, funani ululamo, mhlaumbî nositêliswa ngemini yomsindo ka-Yehova.

4 Ngokuba i-Gaza iya kuba sishiywa, ne-Ashkelon ibe linxuwa; i-Ashdode iya kugxotwa emini emaqanda, inyotûlwe i-Ekron.

5 Uha abemi becandelo laselwandle, uhlanga lwama-Kreti! Ilizwi lika-Yehova licâsenê nani, Kanan, lizwe lama-Filisti; ndikutshabalalise-ke, kungabikô ukumayo;

6 Icandelo laselwandle libe ngamatlwa, nemiqolombâ yabalûsi, libe zibuya zempahl' emfutshane;

7 Libe licandelo lamasalela endlu yakwa-Yuda; aya kwalûsela kulo, abutê ezindlwini zase-Ashkelon ngokuhlwa; kuba uya kuwavelela u-Yehova u-Tîxo wawo, akubuyise ukutînjwa kwawo.

8 Ndikuvile ukungcikiva kuka-Mowabi, nokunyelisa konyana baka-Amon, ababangcikive ngako abantu bam, bazikûlisa emdeni wabo.

9 Ngako oko ndihleli-nje, utsho u-Yehova wemikôsi, u-Tîxo ka-Sirayeli, Inene elakwa-Mowabi liya kuba njenge-Sodom, nelonyana baka-Amon libe njenge-Gomora, libe lilifa lamaŕau, libe sigingqi setyuwa, kube senkangala kulo kude kuse epâkadeni. Amasalela abantu bam aya kubapânga, amaqongqolo ohlanga lwam abadle ilifa.

10 Kuya kuba njalo kubo ngenxa yeŕatshi labo, ngokuba bengcikivile bazikûlisa kubantu baka-Yehova wemikôsi.

11 Uyoyikeka u-Yehova kubo; kuba uyabangcungcutêkisa bonke otîxo bomhlaba, ziqubude kuye zonke iziqiti zentlanga, elowo esendaweni yakê.

12 Nani ma-Kushi, ningababuleweyo ngeŕele lam.

13 Uya kusolula isandla sakê ngakwelise-Ntla, amtshabalalise u-Asuri, ayenze ibe linxuwa i-Nineve, ayenze umqwebedu onjengentlango.

14 Ibutê pâkatî kwayo imihlambî, izinto ezipîlileyo nokuba zizipî zizimfidi: incwangube, nokwalimanzi balale emanqanamini; kobakô lizwi lemvumi e-festileni, amazala emibundwini yeminyango; ngokuba ewuhlubile umsebenzi wabo wemisedare.

15 Nguwo lowo umzi obudlamkile, obuhleli ukôlosile, obusitî entliziyweni yawo, Ndim kwapêla, akukô wumbî. Utê-nina ukuba ube linxuwa, ube sikûndla samaŕamnewa! Bonke abadlulayo kuwo benza umsondlo, bapêkuze ngesandla sabo.

3 Yeha umzi onenkani, oncôlileyo, oxinzelela pantsi!

2 Awupulapulanga lizwi; awamkelanga ngqeqesho; awukôlosanga ngo-Yehova, awusondelanga ku-Tîxo wawo.

3 Abatêtêli bawo pâkatî kwawo bazingonyama ezibafulayo; abagwebi bawo bazincûka zangokuhlwa, ezingabeki nto, ukuze ziyiguguze kwakusa.

Digitized by Google

4 Aba-profeti bawo bayaxapazela, ngamadoda anginizayo; abenzeleleli bawo bayayihlambêla ingcwele, bagonyamela umyalelo.

5 U-Yehova ulilungisa esazulwini sawo; akenzi ngabugqwetâ; imiso ngemiso ukumisa emhlotsheni okusesikweni kwakê, angasileli; ke yena onobugqwetâ akakwazi ukudana.

6 Ndizinqamle intlanga, zicîtâkale ingqoqo zezindlu zazo; ndizonakalisile izi-trate zazo, ukuba kungabikô udlula ngazo; idilikile imizi yazo, ukuba kungabikô mntu, kungabikô umiyo kuyo.

7 Ndatî kodwa, Maundoyike, uyamkele ingqeqesho, linganqanyulwa ikâya lakô, njengako konke endakumisela kôna; ke bavuka kusasa, bonakalisa ngentlondi zabo zonke.

8 Ngako oko yilindeleni kum, utsho u-Yehova, id'ibe yimini yokuvuka kwam, nditîmbê; ngokuba kulunge kum ukuhlanganisa intlanga, ndibutê izikumkani, ukuze ndiyipâlaze ingqumbo yam pêzu kwazo, konke ukuvutâ komsindo wam; kuba uya kutshiswa ngumlilo wekŵele lam wonke umhlaba.

9 Kuba ngeloxesha ndiya kuziguqulela izizwe intetô enyulu, ukuze zinqule igama lika-Yehova zonke zipêla, zimkônze ngaxâta linye;

10 Zitâbatêle pêsheya kwemilambô yakwa-Kushi, zibazise abanditândayo, intombî yentsali zam, bengumnikelo wam wokudla.

11 Ngalomini akuyi kudana ngenxa yentlondi zakô zonke, owarêqa ngazo kum; ngokuba ngeloxesha ndiya kubasusa pâkatî kwakô abadlamkileyo bako benefatshi, ungapîndi uzidle ngokwakô entabeni yam engcwele.

12 Kanjalo ndiya kusalisa pâkatî kwakô abantu abazintsizana, abazisweli, abaya kuzimela ngegama lika-Yehova.

13 Amasalela akwa-Sirayeli akayi kwenza ngobugqwetâ, akayi kutêtâ amanga, aluyi kufumaneka emlonyeni wawo ulwimi lwenkohliso; ngokuba wona aya kudla, abutê, kungabikô uwetûsayo.

14 Memelela, ntombî engu-Tsiyon; duma, Sirayeli; vuya udlamke ngentliziyo yonke, ntombî engu-Yerusalem.

15 U-Yehova ukususile ukugwetywa kwakô, uzidedisile intshaba zakô; ukumkani wakwa-Sirayeli, u-Yehova, upâkatî kwakô; akusayi kuba sabona bubi.

16 Ngalomini baya kutî kwi-Yerusalem, Mus'ukoyika; Tsiyon, mazingawi izandla zakô.

17 U-Yehova u-Tîxo wakô upâkatî kwakô, ligofa elisindîsayo; unemihlali ngawe enovuyo, utê-cwaka elutândweni lwakê, ugcoba ngawe ememelela.

18 Ndiya kubahlanganisa abalilela umtêndeleko, bengabakuni; ingcikivo ibapêtê.

19 Yabona, ndiya kubenza ngendawo bonke abacinezeli bakô ngeloxesha; ndiyisindise into eqwalelayo, ndiyihlanganîse into egxotîweyo; ndibenze indumiso negama emazweni onke abahlaziswa kuwo.

20 Ngeloxesha ndiya kunizisa, ndinibutê ngexesha elililo; ngokuba ndiya kunenza nibe negama nidunyiswe pâkatî kwezizwe zonke zomhlaba, ekukubuyiseni kwam ukutînjwa kwenu pâmbî kwamehlo enu, utsho u-Yehova.

U-HAGAYI.

ISIQENDU I.

NGOMNYAKA wesibini ka-Dariyo ukumkani, ngenyanga yesitândatû, ngosuku lokuqala enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova ngo-Hagayi umprofeti ku-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, ibambâ lakwa-Yuda, naku-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, umenzeleleli[1] omkûlu, lisitî,

2 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Aba-

[1] Umbingeleli kwi-Test. entsha, okunye um-prista.

Digitized by Google

bantu batĩ, Asikabi lixesha lokuba kuziwe, *asikabi* lixesha lokuba yakĩwe indlu ka-Yehova.

3 Kwafika-ke ilizwi lika-Yehova ngo-Hagayi um-profeti, lisitĩ,

4 Lixesha-na kuni nina lokuba nihlale ezindlwini zenu zalekiwe, ibe lendlu yam yona ilinxuwa?

5 Kaloku-ke, utsho u-Yehova wemikôsi ukutĩ, Zigqaleni indlela zenu.

6 Nahlwayela kakûlu, ningenise kancinane; niyadla, ningahluti; nisela, ninganeli kukusela; nambâtâ, ningev' intsitô; noziqeshisayo uziqeshisela ukuba agalele enxôweni enezirôba.

7 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutĩ, Indlela zenu zigqaleni.

8 Nyukani niye kwelentaba, nize nemitĩ, niyakê indlu-le, ndokôliswa-ke yiyo, ndizizukisa, utsho u-Yehova.

9 Nalindela into eninzi, nantso isuke yaba yinto encinane; nakuza nayo ekâya, ndayipêpêta. Ngani-ke? Utsho u-Yehova wemikôsi, Ngenxa yendlu yam yona le ilinxuwa, nibe nina elowo ebalekela endlwini yakê.

10 Ngenxa yoko, ngenxa yenu izulu liyala nombetê, nomhlaba wala nendyebo zawo.

11 Ndabiza ukoma pêzu kwelizwe, napezu kwentaba, napêzu kwenqôlowa, napêzu kwe-wayini entsha, napêzu kwe-oli, napêzu kwento zonke ezipûma emhlabeni, napêzu kwabantu, napêzu kwenkomo, napêzu kokuxelenga konke kwezandla.

12 Balipûlapûla-ke o-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, no-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, umenzeleleli omkûlu, namasalela onke abantu, izwi lika-Yehova u-Tixo wabo, ngokwamazwi ka-Hagayi um-profeti, njengoko wayemtûmile u-Yehova u-Tixo wabo; boyika abantu ebusweni buka-Yehova.

13 Wakutêtâ u-Hagayi umtûnywa ka-Yehova, ukutûnywa kwakê ngu-Yehova ebantwini, watĩ, Ndinani, utsho u-Yehova.

14 U-Yehova wawuvuselela umoya ka-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, ibambâ lakwa-Yuda, nomoya ka-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, umenzeleleli omkûlu, nomoya wamasalela onke abantu; beza-ke, bawenza umsebenzi endlwini ka-Yehova wemikôsi u-Tixo wabo,

15 Ngosuku lwamashumi omabini anesine lwenyanga yesitândatû, ngonyaka wesibini wobukumkani buka-Dariyo.

2 Ngenyanga yesixênxe, *ngosuku* lwamashumi amabini analunye enyangeni-leyo, kwafika ilizwi lika-Yehova ngo-Hagayi um-profeti, lisitĩ,

2 Kâutêtê ku-Zerubabeli unyana ka-Shalatiyeli, ibambâ lakwa-Yuda, naku-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, umenzeleleli omkûlu, nakumasalela abantu, utĩ,

3 Ngubanina kuni apâ oseleyo owayibonayo lendlu isesebuqaqaulini bayo bokuqala? niyibona iyinto-nina-ke ngoku? ayinjengento enge-nto-na emehlweni enu?

4 Noko-ke ngoku yomelela, Zerubabeli, utsho u-Yehova, womelele, Yoshuwa nyana ka-Yotsadaki, menzeleleli mkûlu, nomelele, nonke bantu belizwe, utsho u-Yehova, nisebenze; ngokuba ndinani, utsho u-Yehova wemikôsi.

5 Ilizwi-elo ndanqopĩsana nani ngalo ekupûmeni kwenu e-Yiputa ndisaligcinile, nomoya wam umi pâkatĩ kwenu; musan' ukoyika.

6 Ngokuba u-Yehova wemikôsi utsho ukutĩ, Kusaya kuba kanye, umzuzwanake, ndinyikimise amazulu, nomhlaba, nolwandle, nomhlaba owomileyo;

7 Ndizinyikimise zonke intlanga, zifike izinto ezinqwenelekayo zentlanga zonke, ndiyizalise lendlu ngobuqaqauli, utsho u-Yehova wemikôsi.

8 I-silvere yeyam, i-golide yeyam, utsho u-Yehova wemikôsi.

9 Buya kuba bukûlu ubuqaqauli bamva balendlu ngapêzu kobokuqala, utsho u-Yehova wemikôsi; kuyo-ke lendawo ndinike uxolo, utsho u-Yehova wemikôsi.

10 *Ngosuku* lwamashumi omabini anesine lwenyanga yesitôba, ngomnyaka wesibini ka-Dariyo, kwafika ilizwi lika-Yehova ngo-Hagayi um-profeti, lisitĩ,

11 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutĩ, Kâubuze umyalelo kubenzeleleli, utĩ,

12 Yabonani, umntu epêtê inyama engcwele ngesondo lengubo yakê, afike ngesondo lakê esonkeni, nasentweni epêkiweyo, nase-wayinini, nase-olini, nasentweni nokuba yiyipĩ edliwayo, yongcwaliseka-na? Bapêndula abenzeleleli bati, Hayi.

Digitized by Google

13 Watî-ke u-Hagayi, Ukuba utê wafika oyinqambî ngenxa yomfi kwezonto zonke, zoba zinqambî-na? Bapêndula abenzeleleli, batî, Zoba zinqambî.

14 Wapêndula u-Hagayi watî, Banjaloke ababantu, lunjalo-ke oluhlanga ebusweni bam, utsho u-Yehova; unjalo-ke wonke umsebenzi wezandla zabo, nento abayisondezayo kôn'apô iyinqambî.

15 Kaloku-ke kanigqale nitâbatêle kulemini nibêkis'emva, kungekabekwa litye lityeni e-tempileni ka-Yehova,

16 Nitâbatêle kweloxesha, xa umntu ebefikē esitêni esi*milinganiso* imashumi mabini, asuke afumane libe linye ishumi; xa ebefikē emkûmbîni wokukongozela iwayini, eza kuká *imilinganiso* emashumi mahlanu, asuke afumane amashumi amabini.

17 Ndanibetâ ngembabala nangexoshombâ nangesicôto yonke-ke imisebenzi yezandla zenu; noko-ke akubangakô namnye kuni ubuyela kum, utsho u-Yehova.

18 Kânigqale, nitâbatêle kulemini nibêkis'emva, nitâbatêle kusuku lwamashumi omabini anesine *lwenyanga* yesitôba, kususela kulomini yokusekwa kwe-tempile ka-Yehova, gqalani-ke.

19 Iseko yinina imbêwu eqongeni? Hayi, akuxakatânga nto kude kwesa kumdiliya, nomkîwane, nom-ŧarnate, nomnquma. Nditâbatêle kulemini ndiya kusikelela.

20 Kwafika ilizwi lika-Yehova ngokwesibini ku-Hagayi ngosuku lwamashumi omabini anesine enyangeni-leyo, lisitî,

21 Têtâ ku-Zerubabeli ibambâ lakwa-Yuda, utî, Ndiya kuwanyikimisa amazulu nomhlaba,

22 Ndizibûkuqe i-trone yezikumkani, ndikutshabalalise ukomelela kwezikumkani zentlanga; ndizibûkuqe inqwelo zokulwa nabakwêli bazo, kuwe amahashe nabakwêli bawo; elowo awiswe ngerele lowabo.

23 Ngalomini, utsho u-Yehova wemikôsi, ndiya kukutâbatâ, Zerubabeli nyana ka-Shalatiyeli, sicaka sam, utsho u-Yehova, ndikumise ngokomsesane wokutywina; kuba ndikunyule, utsho u-Yehova wemikôsi.

U-ZEKARIYA.

ISIQENDU I.

NGENYANGA yesibôzo, ngomnyaka wesibini ka-Dariyo, kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Zekariya unyana ka-Berekiya, unyana ka-Ido, um-profeti, lisitî,

2 U-Yehova waye nobuŧalaŧume obukûlu koyihlo.

3 Yitî-ke kubo, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Buyelani kum, utsho u-Yehova wemikôsi, ndobuyela kuni, utsho u-Yehova wemikôsi.

4 Musan' ukuba njengoyihlo, ababebizwa bona ngaba-profeti bangapâmbîli, besitî, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Kânibuye ngoku ezindleleni zenu ezimbî, nasezintlondeni zenu ezimbî; ke abapûlapûla, abandibazela ndlebe, utsho u-Yehova.

5 Oyihlo, bapina? naba-profeti, baya kudla ubomi ngonapâkade-na?

6 Kodwa amazwi am nemimiselo yam, endayimisela izicaka zam aba-profeti, ayibafumananga-na oyihlo? ukuze babuye batî, Njengoko wakunqangiyelayo u-Yehova ukuba akwenze kutî, ngokwendlela zetû nangokwentlondi zetû, wenje njalo kutî.

7 Ngosuku lwamashumi omabini anesine lwenyanga yeshumi elinanye, inyanga engu-Shebati, ngomnyaka wesibini ka-Dariyo, kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Zekariya unyana ka-Berekiya, unyana ka-Ido, um-profeti, lisitî,

8 Ndibone ebusuku, nanko umntu ekwêle ehasheni elibomvu, waye-ke emi pâkatî kwemi-mirtile ebi semyebeni, nga-

Digitized by Google

semva kwakê ingamahashe, abomvu, nangwevu, namhlope.

9 Ndatî, Ngobanina aba, Nkosi yam? Satî kum isitûnywa ebesitêtâ nam, Ndokubonisa ukuba ngobanina aba.

10 Wapêndula umntu obemi pâkatî kwemi-mirtile watî, Aba ngabatûnywe ngu-Yehova, ukuba bawuhambâhambê umhlaba.

11 Basipêndula isitunywa sika-Yehova ebesimi pakati kwemi-mirtile, batî, Siwuhambâhambile umhlaba, nango wonke umhlaba uhleli uzolile.

12 Sapêndula-ke isitûnywa sika-Yehova, satî, Yehova wemikôsi, koba ninina ungasikwa yimfesane wena ngenxa ye-Yerusalem nemizi yakwa-Yuda, owayibâvumelayo leminyaka imashumi asixênxe?

13 U-Yehova wasipêndula isitûnywa ebesitêtâ nam ngamazwi alungileyo, ngamazwi atûtûzelayo.

14 Satî kum isitûnywa ebesitêtâ nam, Memeza utî, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ndinekwêle ikwêle elikûlu nge-Yerusalem nange-Tsiyon;

15 Ndinobufalafume obukûlu kuzo intlanga ezihleli ngokonwaba; ngokokuba bendinobufalafume mna umzuzwana, ke zona zongezelela ububi.

16 Ngako oko, utsho u-Yehova ukutî, Ndiyibuyele i-Yerusalem ngemfesane; indlu yam iya kwakêlwa kôna, utsho u-Yehova wemikôsi, ulutya lokulinganisa lolulwe pêzu kwe-Yerusalem.

17 Buya umemeze utî, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Imizi yam isaya kupâlala okulungileyo; u-Yehova usaya kuyitûtûzela i-Tsiyon, ayinyule i-Yerusalem.

18 Ndapâkamisa amehlo am, ndakângela, nanzo impondo zine.

19 Ndatî kwisitûnywa ebesitêtâ nam, Ziyinto-nina ezi? Satî kum, Ezi zimpondo ezicîtâcîtê u-Yuda, u-Sirayeli ne-Yerusalem.

20 U-Yehova wandibonisa incîbi zokukânda zine.

21 Ndatî, Aba baze kwenza nto-nina? Satêtâ satî, Ezi zimpondo ezicîtâcîtê u-Yuda, ngokokude kungabikô bani upâkamisa intloko yakê; aba-ke baze kuzotûsa, baziwise pântsi impondo zentlanga, ezipâkamise upôndo ezweni lakwa-Yuda, ukuba zilicîtâcîtê.

2 Ndapâkamisa amehlo am, ndakângela, Nanko umntu epêtê ngesandla ulutya lokulinganisa.

2 Ndatî-ke, Uya ngapîna? Watî kum, Ndiya kulinganisa i-Yerusalem, ndibone ukuba bungakananina ububanzi bayo, bungakananina ubude bayo.

3 Naso-ke isitûnywa ebesitêtâ nam sipûma, kupûma nesinye isitûnywa, sisiya kusikâulela.

4 Satî kuso, Gidima, utêtê nalandodana, utî, I-Yerusalem iya kuhlala ngokwamapândle, ngenxa yobuninzi babantu nenkomo ezipâkatî kwayo;

5 Ndibe ludonga lomlilo kuyo mna ngenxa zonke, utsho u-Yehova, ndibe bubuqaqauli pâkatî kwayo.

6 Wênani! wênani! sabani ezweni langase-Ntla, utsho u-Yehova; ngokuba ndinipângalalisa njengemimoya yomine yezulu, utsho u-Yehova.

7 Wa-Tsiyon, zisindise, wena uhleli nentombî engu-Babeli.

8 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Unditûme ukupûtûma uzuko ezintlangeni ezanibûnyulayo; ngokuba onicûkumisayo, ucûkumisa ukôzo lweliso lakê.

9 Ngokuba uyabona, ndiya kulingisa ngesandla sam kuzo, zibe ngamaxôba kwababezikônza; nazi ukuba u-Yehova wemikôsi unditûmile.

10 Memelela uvuye, ntombî engu-Tsiyon; ngokuba uyabona, ndiyeza, ndihlale pâkatî kwakô, utsho u-Yehova.

11 Zitêlele ku-Yehova intlanga ezininzi ngalomini, zibe ngabantu bam, ndihlale pâkatî kwakô; wazi ukuba u-Yehova wemikôsi unditûmele kuwe.

12 U-Yehova amdle ilifa u-Yuda isahlulo sakê emhlabeni ongcwele, abuye ayinyule i-Yerusalem.

13 Mayitî-tu yonke inyama pâmbî ko-Yehova; ngokuba esukile ekâya lakê elingcwele.

3 Wandibonisa u-Yoshuwa umenzeleleli omkûlu, emi pâmbî kwesitûnywa sika-Yehova, u-Satana emi ngasekunene kwakê, ukuze amcâse.

2 Watî u-Yehova ku-Satana, U-Yehova makakukâlimele, Satana; akukâlimele u-Yehova oyinyulileyo i-Yerusalem; lo akasikûni esirôlwe emlilweni-na?

Digitized by Google

3 U-Yoshuwa-ke ebambêtê ingubo ezincôlileyo, wema-ke pâmbî kwesitûnywa.
4 Sapêndula satêtâ nabemiyo pâmbî kwaso, satî, Zisuseni ingubo ezincôlileyo kuye. Watî-ke kuye, Yabona ndibususile ubugwenxa bakô kuwe, ndikwambése ngezinqabileyo.
5 Ndatî-ke, Mabambeke unkontsho oluhlambûlukileyo entloko. Bambeka-ke unkontsho oluhlambûlukileyo entloko yakê, bamambêsa ngengubo; saye isitûnywa sika-Yehova simi.
6 Isitûnywa sika-Yehova saqononondisa ku-Yoshuwa, satî,
7 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ukuba utê wahambâ ngendlela zam, ukuba utê wasigcina isigxina sam: woyilaula wena indlu yam, wozigcina nentendelezo zam, ndikunike ukuhambâ pâkatî kwaba bemiyo apâ.
8 Kâupûlapûle-ke, Yoshuwa menzeleleli mkûlu, wena nabalingane bakô abahlala pâmbî kwakô; ngokuba ngamadoda asimanga; ngokuba uyabona, ndiya kuzisa isicaka sam esingu-Hlumelo.
9 Ngokuba nalo ilitye endalibeka pâmbî ko-Yoshuwa, lityeni linye kobakô amehlo asixênxe; yabona, ndirola urolo lwalo, utsho u-Yehova wemikôsi, ndisuse ubugwenxa belilizwe ngemini enye.
10 Ngalomini, utsho u-Yehova wemikôsi, niya kubizelana pântsi kom-diliya napântsi komkîwane.

4 Sabuya isitûnywa ebesitêtâ nam, sandivusa njengomntu ovuswa ebutôngweni bakê.
2 Satî kum, Ubona nto-nina? Ndatîke, Ndibona, nanko kukô isipâtô sesibane se-golide sonke sipêla, sineselwa laso pêzu kwentloko yaso, sinezibane zaso ezosixênxe pézu kwaso, zinamajelo asixênxe ngasixênxe ezibane ezipêzu kwentloko yaso;
3 Neminquma emibini kuso, omnye ungasekunene kweselwa, omnye ungasekôhlo kwalo.
4 Ndapêndula ndatî kwisitûnywa ebesitêtâ nam, Ziyinto-nina ezizinto, Nkosi yam?
5 Sapêndula isitûnywa ebesitêtâ nam, satî kum, Akuzazi-na ukuba ziyinto-nina ezizinto? Ndatî, Hayi, Nkosi yam.
6 Sapêndula satî kum, Nali ilizwi lika-Yehova ku-Zerubabeli, lisitî, Akungabufoti, akungamandla, kungomoya wam, utsho u-Yehova wemikôsi.
7 Ungubanina wena, ntab' inkulu, pâmbî ko-Zerubabeli? yiba sitâbazi; yena uya kulivelisa ilitye locôcôyi, kunqangazwa kusitîwa, Ubabalo, ubabalo malube kulo.
8 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
9 Izandla zika-Zerubabeli ziyisekile lendlu; izandla zakê ziya kuyigqiba; wazi ukuba u-Yehova wemikôsi undituûmele kuni.
10 Ngokuba ngubanina owoyidela imini yezinto ezincinane? Xa ayibonayo ngovuyo i-lote yokulungelelanisa esandleni sika-Zerubabeli, kwa wona osixênxe amehlo ka-Yehova, ayawutŷutŷa umhlaba wonke.
11 Ndapêndula ndatî kuso, Iyinto-nina leminquma mibini ngasekunene kwesipâtô sesibane nangasekôhlo kuso?
12 Ndapêndula okwesibini, ndatî kuso, Ziyinto-nina ezimbâxa zimbîni zeminquma zikufupî nemiboko emibini ye-golide, etûlula i-oli ebu-golide kuzo?
13 Sandipêndula, satî, Akuzazi-na ukuba ziyinto-nina ezizinto? Ndati, Hayi, Nkosi yam.
14 Satî kum, Aba babini ngabe-oli, abema ngakwi-Nkosi yomhlaba wonke.

5 Ndabuya ndawapâkamisa amehlo am, ndakângela, nantso! incwadi esongweyo ipâpâzela.
2 Satî kum, Ubona nto-nina? Ndatî, Ndibona incwadi esongiweyo ipâpâzela; ubude bayo buzi-kubite ezimashumi mabini, nobubanzi bayo buzi-kubite ezishumi nye.
3 Satî kum, Eso-ke sishwabulo esipûma sihambê pezu kwelizwe lonke; ngokuba bonke abebâyo baya kutshayelwa apâ ngokokwayo; bonke abafungayo baya kutshayelwa ngapâya ngokokwayo.
4 Ndisikûpîle, utsho u-Yehova wemikôsi; siya kungena endlwini yesela, nasendlwini yolifungayo ngobuxoki igama lam, silalise endlwini yakê, siyigqibe nemiti yayo namatye ayo.

5 Sapûma isitûnywa ebesitêtâ nam, satî kum, Kâuwapâkamise amehlo akô, ukângele ukuba yinto-nina leya ipûmayo.
6 Ndatî-ke, Yinto-nina? Satî, Yi-efa-

Digitized by Google

leya ipûmayo. Satî, Yimbônakalo yabo leya ezweni lonke;
7 Nanko kupâkama isiciko se-lote, kuhleli umfazi pâkatî kwe-efa.
8 Satî, Ngungendawo lowo; sampôsa pâkatî kwe-efa, salipôsa ilitye le-lote emlonyeni wayo.
9 Ndawapâkamisa-ke amehlo am, ndakângela, nanko kupûma abafazi ababini, umoya usemapîkweni abo; amapîko abo abe njengamapîko engwamza, bayitŵala i-efa pâkatî komhlaba nezulu.
10 Ndatî kwisitûnywa ebesitêtâ nam, Bayisa pîna i-efa abaya?
11 Satî kum, Baya kumakêla indlu ezweni le-Shinare; itî yakugqitywa, bambeke kôna esizeni sakê.

6 Ndabuya ndawapâkamisa amehlo am, ndakângela, nanzo inqwelo zokulwa zine zipûma pâkatî kwentaba zombîni; intaba-ke izintaba zobêdu.
2 Enqweleni yokuqala ibi ngamahashe abomvu; enqweleni yesibini ibi ngamahashe amnyama;
3 Enqweleni yesitâtû ibi ngamahashe amhlope; enqweleni yesine ibi ngamahashe angwevu anewonga.
4 Ndapêndula ndatî kwisitûnywa ebesitêtâ nam, Ziyinto-nina ezizinto, nkosi yam?
5 Sapêndula-ke isitûnywa, satî kum, Le yimimoya emine esezulwini, epûma yakuba ibizimisile ngakwi-Nkosi yomhlaba wonke.
6 Le inamahashe amnyama ipûma isiya ezweni langase-Ntlą; amhlope apûme elandela wona; angwevu apûme esiya ezweni langase-Zantsi.
7 Anewonga apûma, afuna ukuwuhambâhambâ umhlaba. Satî, Hambâni, niwuhambâhambê umhlaba. Ahambâhambâ-ke umhlaba.
8 Sadanduluka kum, satêtâ kum, satî, Yabona, la apûma aya ezweni langase-Ntla, awuzolise umoya wam ezweni langase-Ntla.

9 Kwafika ilizwi lika-Yehova kum, lisitî,
10 Tâbatâ kwabasekutînjweni, abaze kôna bevela e-Babeli ko-Heledayi, ko-Tobiya, nako-Yidaya, uye wena ngalomini endlwini ka-Yosiya unyana ka-Tsefaniya;
11 Utâbatê i-silvere ne-golide, wenze izitsaba, ubeke entloko ku-Yoshuwa unyana ka-Yotsadaki, umenzeleleli omkûlu;
12 Utêtê kuye utî, Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Nantso indoda ngu-Hlumelo igama layo; iya kuhluma endaweni yayo, iyakê i-tempile ka-Yehova.
13 Iya kuyakâ-ke yona i-tempile ka-Yehova; itŵeswe uzuko, ihlale ilaule e-troneni yayo, ibe ngumenzeleleli e-troneni yayo, icebo loxolo libe pâkatî kwabo bobabini.
14 Izitsaba zibe ko-Helem, nako-Tobiya, nako-Yedaya, zibe sikûmbûzo sobubele bonyana ka-Tsefaniya, e-tempileni ka-Yehova.
15 Beze abakude bakê e-tempileni ka-Yehova; nazi ukuba u-Yehova wemikôsi unditûmele kuni; kuya kwenzeka-ke, ukuba nitê nalipûlapûla ngenyameko izwi lika-Yehova u-Tîxo wenu.

7 Kwatî ngonyaka wesine ka-Dariyo ukumkani, kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Zekariya *ngosuku* lwesine lwenyanga yesitôba engu-Kislevu.
2 I-Beteli-ke yatûma-ke o-Sharetsere no-Regem-meleki nabantu bakê, ukuba bambongoze u-Yehova,
3 Batêtê kubenzeleleli abebe sendlwini ka-Yehova wemikôsi nakuba-profeti, batî, Ndilile-na, ndizile-na ngenyanga yesihlanu, njengoko sendenze ngako leminyaka ingaka?
4 Kwafika ilizwi lika-Yehova wemikôsi kum, lisitî,
5 Têtâ kubantu bonke belizwe-eli, nakubenzeleleli, utî, Oko benizila ukudla, nilila *ngenyanga* yesihlanu nangeyesixênxe, iminyaka-ke engamashumi asixênxe, ukuzila-oko benizilela mna-na?
6 Xa benisidlayo, naxa beniselayo, bekungadli nina-na, beningaseli nina-na?
7 Beningafanele kuwenza yinina amazwi, abewamemeza u-Yehova ngaba-profeti bamandulo, oko ibimiwe icûlumacîle i-Yerusalem, kwa nemizi yayo engenxa zonke kuyo, na oko belimiwe elase-Zantsi nelasesitabâzi?

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova ku-Zekariya, lisitî,
9 Utshilo u-Yehova wemikôsi ukutî, Gwebani ngesigwebo senyaniso, nenze i-

Digitized by Google

nceba nemfesane elowo kumzalwana wakê;

10 Musan' ukubacudisa abahlolokazi, nenkedama, nabasemzini, namahlwempu; musan' ukucinga ububi entliziyweni yenu ngendoda engumzalwana wenu.

11 Abavumanga-ke ukubaza indlebe, balifola igxalaba elinjubaqâ, bazitî-nqi indlebe zabo, abeva.

12 Intliziyo yabo bayenz' i-dayiman, ukuba bangawuvi umyalelo namazwi, abewatûmela u-Yehova wemikôsi ngomoya wakê, ngaba-profeti bamandulo; kwabakô-ke ubufalafume obukûlu obuvela ku-Yehova wemikôsi.

13 Kuya kutî-ke, njengoko ebememeza, bengeva, benje njalo ukumemeza, utsho u-Yehova wemikosi, ndingevi.

14 Ndiya kubacîtâcîtêla ezintlangeni zonke ababengazazi; kube senkangala elizweni emva kwabo, kungacandi mntu, kungabuyi mntu; balenze-ke ilizwe elinqwenelekayo kube senkangala kulo.

8 Kwafika ilizwi lika-Yehova wemikôsi, lisitî,

2 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ndinekwele ikwele elikûlu nge-Tsiyon, ndinekwele, ndinobushushu obukûlu ngayo.

3 Utsho u-Yehova ukutî, Ndiyibuyele i-Tsiyon, ndiya kuhlala-ke pâkatî kwe-Yerusalem, kutîwe i-Yerusalem ngumzi wenyaniso; nentaba ka-Yehova wemikôsi kutîwe yintaba engcwele.

4 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Kusaya kuhlala amadoda amakûlu nentokazi ezinkulu ezi-trateni zase-Yerusalem, elowo epêtê umsimelelo wakê ngesandla, ngenxa yobudala babo;

5 Zizale izi-trate zomzi ngamakwenkwe nentombâzana, bedlala ezi-trateni zawo.

6 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ukuba kuyinto engummangaliso emehlweni amasalela ababantu ngalomihla, kuya kuba yinto engummangaliso yinina nasemehlweni am? utsho u-Yehova wemikôsi.

7 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Yabonani, ndiya kubasindisa abantu bam elizweni lokupûma kwelanga, naselizweni lokutshona kwalo,

8 Ndibazise, bahlale pâkatî kwe-Yerusalem, babe ngabantu bam, ndibe ngu-Tîxo wabo, ngenyaniso nangobulungisa.

9 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Izandla zenu mazomelele, nina bawevayo lamazwi ngalemihla, epûma emlonyeni waba-profeti, ababekô mhlenikweni yasekwa indlu ka-Yehova wemikôsi, i-tempile, ukuze yakîwe.

10 Ngokuba pâmbî kwalomihla bekungekô mvuzo wabantu, nomvuzo wenkomo ubungekô; nopûmayo nongenayo ebenge naluxolo ngenxa yombandezeli; ndabenza bonke ukuba umntu acâsane nowabo.

11 Ngoku-ke andiyi kuba njengokwamihla yamandulo kumasalela ababantu, utsho u-Yehova wemikôsi.

12 Ngokuba imbêwu yoxolo, um-diliya wonika isiqâmô sawo, nelizwe linike indyebo yalo, namazulu anike umbetê wawo; zonke ezonto ndizidlise ilifa amasalela abantu.

13 Kotî, njengoko benilutshabiso ezintlangeni, ndlu ka-Yudâ, nani ndlu ka-Sirayeli, ndenje njalo ukunisindisa, nibe yintsikelelo; musan' ukoyika, mazomelele izandla zenu.

14 Ngokuba utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Njengoko ndanqangiyelayo ukwenza ububi kuni, oko oyihlo bandenza ndaba nobufalafume, utsho u-Yehova wemikôsi, andazohlwaya-ke:

15 Ngokunjalo ndibuye ndanqangiyela ngalemihla ukwenza okulungileyo kwi-Yerusalem nakwindlu ka-Yuda; musan' ukoyika.

16 Nanzi indawo enotî nizenze zona: Têtâni inyaniso elowo kuwabo; gwebani ngenyaniso nangesigwebo soxolo emasangweni enu.

17 Musan' ukucinga okubi elowo ngowabo entliziyweni yakê; ningatândi kutunga ngobuxoki; ngokuba konke oko kondikutîyileyo, utsho u-Yehova.

18 Kwafika ilizwi lika-Yehova wemikôsi kum, lisitî,

19 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Iziko lweyesine *inyanga*, nozilo lweyesihlanu, nozilo lweyesixénxe, nozilo lweyesihlanu, luya kuba yimihlali nemivuyo namaxesha amisiweyo okucwayitâ kwindlu ka-Yuda; ke tândani inyaniso noxolo.

20 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Kusaya kuza izizwe nabemi bemizi eminingi.

21 Bahambê abemi bomnye baye komnye, batî, Masihambê siye kumbongoza u-Yehova, sifune u-Yehova wemikôsi; batî abo, Siya kuhambâ natî.

22 Izizwe ezininzi nentlanga ezinama-

Digitized by Google

ndla zize kufuna u-Yehova wemikôsi e-Yerusalem, zimbongoze u-Yehova.

23 Utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Ngezomini aya kutî abambê amadoda alishumi asezilwimini zonke zentlanga, ebambê esondweni lengubo yendoda engum-Yuda, atî, Siya kuhambâ nani, ngokuba sivile ukuba u-Tixo unani.

9 Izihlabo zelizwi lika-Yehova ezisingisele ezweni lase-Hadraki, yi-Damasko indawo yokupûmla kwazo; ngokuba u-Yehova usingise iliso ebantwini nasezizweni zonke zakwa-Sirayeli;

2 Kwa ne-Hamati ehlangene nayo ngomda; i-Tire ne-Tsidon, nakuba zilumkile kakûlu.

3 I-Tire yazakêla inqaba, yafumbâ i-silvere njengotûli, ne-golide njengodaka lwezi-trate.

4 Yabona, i-Nkosi iya kuyihluta, ibubetê ubuhandiba bayo elwandle, yona itshiswe ngumlilo.

5 I-Ashkelon iya kukubona, yoyike; ne-Gaza iya kukubona, itûtûmele kakûlu; kwa ne-Ekron, kuba inqolonci yayo iya kudaniswa, adake ukumkani, angabikô e-Gaza, ne-Ashkelon ingemiwa;

6 Kuhlale imigqakwe e-Ashdode, ndinqumle iqâyiya lama-Filisti;

7 Ndilisuse igazi lemibingelelo yawo emlonyeni wawo, nezinto zawo ezinezotê emazinyweni awo; kwa nawo aya kusalela u-Tixo wetû, abe njengenkosana kwa-Yuda, ne-Ekron ibe njengom-Yebusi.

8 Ndiyinqabise indlu yam kumkôsi, kodlulayo, nakobuyayo, kungabi sacanda nkândanisi kubo; ngokuba ngoku ndibonile ngamehlo am.

9 Gcoba kunene, ntombî u-Tsiyon; duma, ntombî u-Yerusalem; yabona, ukumkani wakô uza kuwe, elilungisa, enosindiso, enentobeko, ekwele e-esileni, exâmxweni, etôleni lemazi ye-esile.

10 Ndozinqumla inqwelo zokulwa kwa-Efrayim namahashe e-Yerusalem, sinqunyulwe isapêta sokulwa; atêtê uxolo kwintlanga; ulaulo lwakê lutâbatêle elwandle luse elwandle, lutâbatêle kuwo um-Lambô luse ezipêlweni zomhlaba.

11 Nawe ngenxa yegazi lomnqopiso wakô ndiyabandulula ababanjiweyo bakô, bapûme emhadini onge namanzi.

12 Buyelani enqabeni, babanjwandini banetêmba; nanamhla ndiyaxela nditî, Ndiya kukubuyisela ngokupîndiweyo.

13 Ngokuba ndimgobile u-Yuda, isapêta sam; ndimfakile u-Efrayim, *utolo lwam;* ndixôkonxe onyana bakô, Tsiyon, konyana bakô, Yavan,[1] ndikwenze ube njengefele legoda.

14 U-Yehova uya kubonakala pêzu kwabo, lupûme njengombane utolo lwakê; i-Nkosi u-Yehova iya kuvutêla isigodlo, ihambê ngemimoya evutûzayo yase-Zantsi.

15 U-Yehova wemikôsi uya kubakûsela ngapêzulu, badle, banyatêle amatye okusaula, basele, baxokozele ngokwase-wayinini; bazale ngokwenqâyi, ngokwembômbô zesibingelelo.

16 Abasindise abantu bakê u-Yehova u-Tixo wabo ngalomini, njengomhlambî; ngokuba bengamatye esitsaba, abengezela emhlabeni wakê.

17 Kuba kungakananina ukulunga kwabo, bungakananina ubuhle babo! Inqôlowa iya konwabisa umlisela, i-wayini entsha iwonwabise umtînjana.

10 Celani imvula ku-Yehova ngexesha lemvula evutisayo. U-Yehova wenza imibane, abanike imvula ezipângo, elowo *amnike* umfuno wasendle.

2 Ngokuba imilonde-kâya itêtê into ebutshinga, nabavumisi babone ubuxoki, balaula amapûpâ enkohlakalo, batûtûzela kwamampunge; ngenxa yoko bakôkile njengomhlambî, bacinezeleka, kuba kungekô malûsi.

3 Umsindo wam uvutêla abalûsi, ndozivelela ngawo inkunzi ezikôkelayo; kuba u-Yehova wemikôsi uyawuvelela umhlambî wakê, indlu ka-Yuda, abenze babe njengogcadalala lwakê lwehashe emfazweni.

4 Kuya kupûma kuye ilitye lembômbô; kuya kupûma kuye ibaxa; kuya kuvela kuye isapêtâ sokulwa; kuya kuvela kuye bonke abakândanisi ngakunye.

5 Babe njengamagoda, enyatêlela *intshaba zawo* eludakeni lwezi-trate kusiliwa; balwe, ngokuba u-Yehova unabo; badane abakweli bamahashe.

6 Ndiyomeleze indlu ka-Yuda, ndiyisindise indlu ka-Yosefu, ndibahlalise; kuba ndisikwa yimfesane ngenxa yabo; boba ngangabo ndingabahlambânga; ngokuba ndingu-Yehova u-Tixo wabo, ndibapêndule.

[1] Ama-Grika.

Digitized by Google

7 Waba njengegoŕa u-Efrayim, ivuye intliziyo yabo ngokwase-wayinini; onyana babo babone, bavuye; iya kugcoba intliziyo yabo ku-Yehova.

8 Ndiya kubenzela ikŵelo, ndibabutê; ngokuba ndibakûlule ngokubahlaulela; bande njengoko babesanda ngako;

9 Ndibahlwayele ezizweni, bandikûmbûle emazweni akude, bapîle nonyana babo, babuye;

10 Ndibabuyise ezweni lase-Yiputa, ndibabutê kwa-Asuri, ndibazise ezweni lase-Giliyadi nelase-Lebanon, kungafumaneki ndawo ibalingeneyo.

11 *U-Yehova* acande kulwandle lwembândezelo, abetê emazeni olwandle, zitshe zonke iziziba zom-Nayile; litôtywe iqâyiya lakwa-Asuri, imke intonga yase-Yiputa;

12 Ndibomeleze ngo-Yehova, bahambâhambê ngegama lakê, utsho u-Yehova.

11 Vula amasango akô, Lebanon, uyitshise ngomlilo imi-sedare yakô.

2 Bômbôloza, m-sipres, ngokuba kuwe um-sedare, ngenxa yokuba ingangamsha zibûqiwe. Bômbôlozani, mi-oki yase-Bashan, ngokuba lihlahliwe ihlatî elinqabileyo.

3 Ŷivani! ukubômbôloza kwabalûsi; ngokuba bubûqiwe ubungangamsha babo; yivani! ukubafula kwengonyama ezintsha; ngokuba kubûqiwe iqâyiya lase-Yoredan.

4 Watsho u-Yehova u-Tîxo wam, ukutî, Yalûsa umhlambî wezixêlwayo;

5 Obatêngi bawo bawubulalayo, batî abanatyala; nabatêngisa ngawo batî, Makabongwe u-Yehova, ndinobutyebi; nabalûsi bawo abawucongi.

6 Ngokuba andiyi kubuye ndibaconge abemi bomhlaba, utsho u-Yehova. Yabona, abantu ndibanikela, elowo esandleni sowabo, nasesandleni sokumkani wakê, baliqôbe ilizwe ndingabahlanguli esandleni sabo.

7 Ndawalûsa-ke umhlambî wezixêlwayo, kunye nezinqinileyo zomhlambî. Ndatâbatâ intonga zambînî, enye ndatî ngu-Mnandi, enye ndati ngu-Zintya; ndawalûsa-ke umhlambî.

8 Ndabetâ batî-shwaka abalûsi abatâtû nganyanga nye; ndazekaneka ngabo, ndanezotê kubo.

9 Ndatî, Andiyi kunalûsa; efayo mayife; netî-shwaka mayitî-shwaka, neziseleyo mazidlan' inyama.

10 Ndatâbatâ intonga yam u-Mnandi, ndayapûla, ukuze ndiwapûle umnqopiso wam endanqopîsana ngawo nezizwe zonke.

11 Wapûlwa-ke ngalomini; zazi ngokunjalo ezinqinileyo zomhlambî ebezindipûlapûle, ukuba lilizwi lika-Yehova eli.

12 Ndatî kuwo, Ukuba kulungile emehlweni enu, etêni umvuzo wam; ukuba akulungile, yekani. Bandilinganisela-ke umvuzo wam amashumi amatâtû e-silvere.

13 Watî u-Yehova kum, Yipôse kumbumbî; ixabiso elinge ngangani abandimisela lona, Ndawatâbatâ-ke amashumi amatâtû e-silvere, ndawapôsa kumbumbi endlwini ka-Yehova.

14 Ndayapûla intonga yam yesibini u-Zintya, ukuze ndibutshitshise ubuzalwana pâkatî ko-Yuda no-Sirayeli.

15 Watî u-Yehova kum, Pînda utâbatê impahla yomalûsi osimatâne.

16 Ngokuba yabona, ndivelisa umalûsi elizweni apa, ongayi kuzivelela eziza kutshwaka; akayi kuzifuna ezilusali; akayi kuzipîlisa ezapûkileyo; akayi kuzondla ezimiyo; inyama yezityebileyo uya kuyidla awalimaze amanqina azo.

17 Ŷeha umalûsi onge nto, owulahlayo umhlambî! irele malibe pêzu kwengalo yakê, neliso lakê lasekunene! ingalo yakê iya koma kanye, neliso lakê lasekunene licime okukanye.

12 Izihlabo zelizwi lika-Yehova ezisingisele ku-Sirayeli.

Utsho u-Yehova, umaneki wamazulu, umseki womhlaba, umenzi womoya womntu pâkatî kwakê ukutî,

2 Yabona, i-Yerusalem ndiyenza indebe enombîlini yokuhexisa zonke izizwe ngenxa zonke, imfikele no-Yuda ekungqingweni kwe-Yerusalem.

3 Kotî ngalomini, ndiyenze i-Yerusalem ilitye elingumtwâlo ezizweni zonke; bonke abalifunqulayo baya kuzisikisa bazilimazise, ziyihlanganyele zonke intlanga zomhlaba.

4 Ngalomini, utsho u-Yehova, ndiya kuwabetâ etûke amahashe onke, ndiwabete babe nomgada abakwêli bawo, ndiwavule

Digitized by Google

amehlo am pêzu kwendlu ka-Yuda, onke amahashe ezizwe ndiwabetê abe zimfama.

5 Zitî inkosana zakwa-Yuda ezintliziyweni zazo, Bangamandla am abemi base-Yerusalem ngo-Yehova wemikosî, u-Tîxo wabo.

6 Ngalomini ndiya kuzenza inkosana zakwa-Yuda zibe njengokâmba lomlilo ezinkunini, nanjengezikûni ezitshangaziswayo ezitûngwini, zizitshise ngasekunene nangasekôhlo izizwe zonke ngenxa zonke; i-Yerusalem ibuye imiwe esikûndleni sayo e-Yerusalem.

7 U-Yehova uya kusindisa in-tente zakwa-Yuda kuqala, ukuze isihombô sendlu ka-Davide nesihombô sabemi base-Yerusalem singazikûlisi ngapêzu ko-Yuda.

8 Ngalomini u-Yehova uya kubakûsela abemi base-Yerusalem; atî okûbekayo pâkatî kwabo abe njengo-Davide ngalomini; indlu ka-Davide ibe njengo-Tîxo, njengesitûnywa sika-Yehova pâmbî kwabo.

9 Kotî ngalomini, ndifune ukuzitshabalalisa zonke intlanga ezingenelayo i-Yerusalem.

10 Nditûlulele pêzu kwendlu ka-Davide napêzu kwabemi base-Yerusalem umoya wokubabala nowokutafuzisa, babêke kum mna bamhlabileyo amahlanza, bammbâmbâzelele njengokumbâmbâzelelwa kozelwe wamnye, babe ŕaŕa ngenxa yakê njengoŕaŕa ngenxa yamazibulo akê.

11 Ngalomini siya kuba sikûlu isililo e-Yerusalem, sibe njengesililo sase-Hadaderimon esihlanjeni se-Megido.

12 Lilile ilizwe, imizalwane ngemizalwane iyodwa; umzalwane wendlu ka-Davide uwodwa, abafazi babo bebodwa; umzalwane wendlu ka-Natan uwodwa, abafazi babo bebodwa;

13 Umzalwane wendlu ka-Levi uwodwa, abafazi babo bebodwa; umzalwane wama-Shimehi uwodwa, abafazi bawo bebodwa.

14 Yonke imizalwane eseleyo, imizalwane ngemizalwane iyodwa, nabafazi babo bebodwa.

13 Ngalomini kuya kubakô itênde elivulelwe indlu ka-Davide nabemi base-Yerusalem, ngenxa yesono nangenxa yokuncôla.

2 Kotî ngalomini, utsho u-Yehova wemikôsi, ndiwanqumle amagama ezitîxo ezweni, zingabi sakûnjulwa; naba-profeti nomoya wobunqambî ndibagqitîse, bangabikô ezweni apâ.

3 Kotî xa atê wabuya waprofeta ubani, batî kuye oyise nonina abamzalayo, Akuyi kupîla, kuba utêtê ubuxoki ngegama lika-Yehova; oyise nonina abamzalayo bamhlabe amahlanza ngenxa yokuprofeta kwakê.

4 Kotî ngalomini, badane aba-profeti, elowo ngumbono wakê, ekuprofeteni kwakê, bangambâtî ngubo ixônti yokuze bakohlise;

5 Atî, Andim-profeti, ndingumnt' olim' umhlaba; kuba wanditênga umntu ndisemncinane.

6 Kotîwa kuye, Ayinina lamanxeba asezandleni zakô? Atî, Ngandanxwelefwa ngawo endlwini yabanditândayo.

7 Ŕele, vuka usukele pêzulu kumalûsi wam, kumfo olumelwane, utsho u-Yehova wemikôsi; betâ kumalûsi, umhlambî ube lusali; ndisibuyisele isandla sam pêzu kwezincinane.

8 Kotî ezweni lonke, utsho u-Yehova, izahlulo ezibini kulo zinqanyulwe, zife, esesitâtû sihlale kulo;

9 Ndisizise emlilweni esesitâtû, ndibanyibilikise njengokunyibilikiswa kwe-silvere, ndibacikide njengokucikidwa kwegolide; bona baya kunqula igama lam, ndibapêndule mna; ndiya kutî; Ngabantu bam bona; bati bona, Yehova, ungu-Tixo wetû.

14 Yabonani, kuza imini eyeka-Yehova kwabiwe amaxôba akô esazulwini sakô;

2 Ndizihlanganisele e-Yerusalem zonke intlanga ukuba zilwe; umzi utînjwe, zipângwe izindlu, badlwengulwe abafazi; sipûme isiqingatâ somzi sitînjwe; ke amasalela abantu anganqunyulwa wona kuwo umzi.

3 Apûme-ke u-Yehova, alwe nezontlanga, njengemini yokulwa kwakê, ngemini yomdibaniso.

4 Zime inyawo zakê ngalomini pêzu kwentaba yemi-Nquma, epâmbî kwe-Yerusalem ngasempumalanga, icandeke intaba yemi-Nquma pâkatî, itâbatêle empumalanga, ise entshonalanga, ibe sihlambô esikûlu kakûlu; sisunduzeke isiqingatâ sentaba sisinge e-Ntla esinye isiqingatâ sayo sisinge e-Zantsi.

Digitized by Google

5 Nisabele esihlanjeni sentaba zam; kuba isihlambô sentaba-ezo siya kufika nase-Atsele, nisabe njengoko nasabayo ngenxa yenyikima emihleni ka-Uziya ukumkani wakwa-Yuda, eze u-Yehova u-Tixo wam, enengcwele zakê zonke.

6 Kotî ngalomini, kungabi mhlope, inkwenkwezi ezinendili zibe-luzizi.

7 Kube yimini eyodwa; yona iya kwazeka ku-Yehova, ayimini, ayibusuku; kutî ngexa langokuhlwa kube mhlope.

8 Kotî-ke ngalomini, kupûme e-Yerusalem amanzi apllileyo; esinye isiqingatâ sawo siye kulwandle lwasempumalanga, esinye isiqingatâ sawo siye kulwandle lasentshonalanga; kube njalo ehlotyeni nasebusika.

9 U-Yehova abe ngukumkani pêzu komhlaba wonke; ngalomini iya kuba ngu-Yehova yedwa, negama lakê lodwa.

10 Ilizwe lonke liya kujika libe njenge-Araba, litâbatêle e-Geba lise e-Rimon, e-Zantsi kwe-Yerusalem; lipâkame, lihlale esikûndleni salo, litâbatêle esangweni lakwa-Benyamin, lise endaweni yesangolokuqala, lise esangweni lembômbô; litâbatêle enqabeni ende yakwa-Hananeli, lise ezixovulelweni zokumkani.

11 Bahlale kulo, kungabi sabakô kusingela pântsi, ihlale i-Yerusalem ikôlosile.

12 Siso esi isibetô aya kuzibetâ ngaso u-Yehova zonke izizwe eziyipûmele umkôsi i-Yerusalem: uya kuyingcungcutêkisa inyama yomntu emi ngenyawo zakê, apêlele amehlo akê emarolomeni awo, lupêlele ulwimi lwakê emlonyeni wakê.

13 Kotî ngalomini, sibe sikûlu isaqunge pâkatî kwazo, sipûma ku-Yehova; babambê elowo isandla sowabo, isandla sakê sipâkamele isandla sowabo;

14 Naye u-Yuda alwe nazo e-Yerusalem; buhlanganiswe ubutyebi bentlanga zonke ezingenxa zonke, i-golide, ne-silvere, nengubo, into eninzi kakûlu.

15 Soba njalo isibetô kumahashe, nondlebende, nen-kamela, ne-esile, nenkomo zonke eziya kuba seminqubeni-leyo, sibe njengesosibetô.

16 Kotî, onke amaqongqolo entlanga zonke ebezingenele i-Yerusalem, enyuke iminyaka ngeminyaka, aye kuqubuda ku-Kumkani, u-Yehova wemikôsi, enze umtêndeleko weminquba.

17 Kotî, emizalwaneni yomhlaba, osukuba engenyuki aye kuqubuda e-Yerusalem ku-Kumkani, u-Yehova wemikôsi, anganelwa mvula.

18 Utî umzalwane wama-Yiputa ongatânga unyuke uze, awuyikunelwa mvula; yoba sisibetô, aya kubetâ ngaso u-Yehova zonke intlanga ezingenyukiyo ziye kwenza umtêndeleko weminquba.

19 Siya kuba seso isoh*lwayo* sesono se-Yiputa, *nesohlwayo* sesono sentlanga zonke ezingenyukiyo ziye kwenza umtêndeleko weminquba.

20 Ngalomini kuya kubâlwa emankentezeni amahashe, kutîwe, Bungcwele ku-Yehova; nembiza endlwini ka-Yehova zibe njengezitya zokutshiza ezipâmbi kwesibingelelo.

21 Zotî zonke imbiza e-Yerusalem nakwa-Yuda zibe ngcwele ku-Yehova wemikôsi; beze bonke ababingelelayo, batâbatê kuzo, bapêkele kuzo; ngalomini kungabi sabikô m-Kanan endlwini ka-Yehova wemikôsi.

U-MALAKI.

ISIQENDU I.

IZIHLABO zelizwi lika-Yehova esisingisele ku-Sirayeli ngo-Malaki.

2 Uti u-Yehova, Ndinitândile; ke nina nitî, Usitânde ngokutî-nina? U-Esau asingumkûluwa ka-Yakobi-na? utsho u-Yehova; ukanti ndatânda-ke u-Yakobi;

3 Ndamtîya u-Esau, intaba zakê ndazenza kwaba senkangala, nelifa lakê laba le lempungutye entlango.

4 Ekubeni-ke u-Edom esitî, Sivikivekile siya kubuye siwakê amanxuwa; utsho u-Yehova wemikôsi ukutî, Baya kwakâ bona, kodwa mna ndiya kugungxula; kotîwa, Bangumda wokungendawo, ngabantu

Digitized by Google

ababâvumelayo u-Yehova kude kuse epâkadeni.

5 Amehlo enu aya kubona, nitî-ke nina, Mkûlu u-Yehova pêzu komda wakwa-Sirayeli.

6 Unyana uyambeka uyise, umkônzi u-*yayihlonela* inkosi yake; ukuba ndinguyihlo, kupîna-ke ukubekwa kwam? ukuba ndiyinkosi, kupîna ukoyikwa kwam? utsho u-Yehova wemikôsi kuni, benzeleleli balidelileyo igama lam. Nibe-ke nisitî, Silidele ngokutî-nina igama lakô?

7 Nina nizisa esibingelelweni sam isonka esingcôlileyo, nibe-ke nisitî, Sikuncôlise ngokutî-nina? Ngokutî oku kwenu, Isitêbe sika-Yehova sidelekile sona.

8 Ukuba nizisa into eyimfama ukuba ibingelelwe, akunto imbî oko! ukuba nizisa into esiqwala nento efayo, akunto imbî oko! Kâuyisondeze lonto kwinkosi yakô, ukuba yokôliswa-na nguwe? likunonelelana, utsho u-Yehova wemikôsi.

9 Kaloku-ke kânimbongoze u-Tixo, ukuba asibabale; kuvele esandleni senu oku; womnonelela-na-ke umntu ngenxa yenuna? utsho u-Yehova wemikôsi.

10 Akwaba bekukô umntu kuni, uzivalileyo ingcango, anasibanekela ilizé isibingelelo sam! Andininanze nganto, utsho u-Yehova wemikôsi, andikôliswa nangumnikelo opûma esandleni senu.

11 Ngokuba kutâbatêla ekupûmeni kwelanga, kude kuse ekutshoneni kwalo, likûlu igama lam pâkatî kwentlanga; nasezindaweni zonke kuqûnyiselwe, kunikelwe igama lam umnikelo ohlambûlukileyo; ngokuba likûlu igama lam pâkatî kwentlanga, utsho u-Yehova wemikôsi.

12 Ke nina niyalihlambêla ngokutî oku kwenu, Isitêbe sika-Yehova sincôlile nezivaliso zaso, ukutya kwaso kudelekile.

13 Nabuya natî-ke, Yabonani, yindinisa yanina le! nasivutêla, utsho u-Yehova wemikôsi; nazisa into esipângiweyo, neziqwala, nezifayo; nenje-nje ukuzisa umnikelo-ke; ndikôliswe-na-ke zezonto zipûma esandleni senu? utsho u-Yehova.

14 Uqalekisiwe-ke oqâtâniselayo, ukanti kukô emhlambîni wakê iduna, nobâmbâtîsa abingelele into eyonakeleyo e-Nkosini; ngokuba ndingukumkani omkûlu, utsho u-Yehova wemikôsi, negama lam liyoyikeka pâkatî kwentlanga.

2 Ngoku-ke lomtêtô ubêkiswa kuni, benzeleleli.

2 Ukuba anitânga nipûlapûle, ukuba anitânga nikunyamekele ngentliziyo ukuluzukisa igama lam, utsho u-Yehova wemikôsi: ndonitûmela isiqalekiso, ndiziqalekise intsikelelo zenu, ewe sendiziqalekisile, kuba ningakunyamekeli ngentliziyo.

3 Yabonani, ndiyayikâlimela ingalo yenu, nditshize ngomswane ebusweni benu, umswane wemitêndeleko yenu, banitwâle banisuse nawo;

4 Nazi ukuba ndinitûmele lomtêtô, ukuba ube ngumnqopîso wam no-Levi, utsho u-Yehova wemikôsi.

5 Umnqopîso wam ubunaye ububom noxolo; ndamnika ezonto ukuba oyike; wandoyika-ke, waqîpuk' umbilini ngenxa yegama lam.

6 Umyalelo wenyaniso waba semlonyeni wakê, akwafumaneka bugqwetâ emilebeni yomlomo wakê; wahambâ nam exolile etê-tye, wabuyisa abaninzi ebugwenxeni.

7 Kuba umlomo womenzeleleli ngowokugcina ukwazi, umyalelo bawufune emlonyeni wakê; ngokuba ungumtûnywa ka-Yehova wemikôsi.

8 Ke nina nimkile endleleni, nabakûbekisa abaninzi kuwo umyalelo, nawonakalisa umnqopîso ka-Levi, utsho u-Yehova wemikôsi.

9 Nam ndinenza abadelekileyo nabatôbekileyo ebantwini bonke, ngokokuba ningazigcinanga indlela zam, nesuka nanonelela umntu emyalelweni.

10 Akamnye-na ubawo wetû sonke sipêla? asidalwe Tixo mnye-na? yinina ukuba singinizelana, siwuhlambêle umnqopîso wobawo betû?

11 Unginizile u-Yuda, kwenzeka amasikisi kwa-Sirayeli nase-Yerusalem; ngokuba u-Yuda uyihlambêle ingcwele ka-Yehova ayitândayo, wazeka intombî yotîxo wolunye uhlanga.

12 Akwaba u-Yehova angamnqamla kwindoda ekwenzayo oko, lowo ulindayo nalo usabelayo ezin-tenteni zakwa-Yakobi, nozisa iminikelo ku-Yehova wemikôsi.

13 Oku-ke nikwenza okwesibini: ukugubungela isibingelelo sika-Yehova ngenyembêzi, ngokulila, nangokuncwina, ade angabi sawubêka umnikelo, angabi samkela nto ikôlekayo ezandleni zenu.

14 Nitî-ke, Nganina? Ngenxa yokuba

Digitized by Google

u-Yehova ebe linqîna pâkatî kwakô nomfazi wobutsha bakô, lowo umnginizeleyo wena; kanti-ke lidlelane lakô, ngumfazi womnqopîso wakô.

15 Akubangakô namnye ukwenzayo oku obe namasalela omoya. Ke, wenza ntonina omnye lowo? Wafuna imbêwu yakwa-Tîxo. Wugcineni ngoko umoya wenu, ungamnginizeli umfazi wobutsha bakô;

16 Kuba ndikutîyile ukwaliwa *umfazi*, utsho u-Yehova, u-Tîxo ka-Sirayeli. *Omalayo umfazi wakê* uya kugubungela ingubo yakê ngogonyamelo, utsho u-Yehova wemikôsi, Wugcineni-ke umoya wenu, ninganginizi.

17 Nimdinisile u-Yehova ngamazwi enu. Nitî-ke, Simdinise ngokutî-nina? Ngokutî oku kwenu, Bonke abenza okubi balungile emehlweni ka-Yehova, ubananzile yena; okanye nitî, Upîna u-Tîxo wokugweba?

3 Yabona, ndiya kutûma umtûnywa wam, agece indlela pâmbî kwam; iya kuzake ngesiqupê e-tempileni yayo i-Nkosileyo niyifunayo, kwa umtûnywa womnqopîso enimlangazelelayo, yabona, uyeza, utsho u-Yehova wemikôsi.

2 Ngubanina-ke onokuyinyamezela imini yokuza kwakê? ngubanina-ke onokuma ekubonakaleni kwakê? Ngokuba unjengomlilo womnyibilikisi, unjenge-soda yabaxovuli bengubo;

3 Ahlale-ke engumnyibilikisi, engumcoci we-silvere, abacoce onyana baka-Levi, abahluze njenge-golide nanjenge-silvere; babe ngabazisa umnikelo ku-Yehova, benobulungisa.

4 Woba mnandi-ke ku-Yehova umnikelo wakwa-Yuda, nowase-Yerusalem ngokwemini zasepâkadeni, ngokweminyaka yamandulo.

5 Ndisondele kuni ukuba ndigwebe, ndibe linqîna elikâulezayo kubakâfuli, nakubafexezi, nakubafungi bobuxoki, nakwabacudisa umqeshwa ekumvuzeni, nomhlolokazi, nenkedama, nakwabatôba owasemzini, bangandoyiki mna, utsho u-Yehova wemikôsi.

6 Ngokuba mna Yehova, andiguquguquki; ningagqitywa nipêle nina bonyana baka-Yakobi.

7 Kususela kwimihla yoyihlo nimkile emimiselweni yam, anayigcina. Buyelani kum, ndibuyele kuni, utsho u-Yehova wemikôsi. Nitî-ke, Sibuye ngokutî-nina?

8 Umntu angamanyisa kofileyo-na u-Tîxo? Ukuba nindanyisa kofileyo-nje. Nitî-ke, Sitê-nina kukwanyisa kofileyo? Kwizishumi nemifumo.

9 Niqalekiswe ngesiqalekiso; noko-ke nipîkel'ukundanyisa kofileyo, nina luhlangandini, nonke nipêla.

10 Ziziseni zonke izishumi endlwini yobuncwane bam, ize-ke kubekô ukudla endlwini yam; ngoku nindicikide ngalento, utsho u-Yehova wemikôsi, ukuba andisokunivulela-na ingcango zezulu, ndinitûlulele intsikelelo, kude kungasweleki luto;

11 Ndiyikâlimele inkumbî edlayo ngenxa yenu, ingazonakalisi iziqâmo zomhlaba wenu, ungapûnzi um-diliya wenu entsimini, utsho u-Yehova wemikôsi;

12 Zonke intlanga zitî ninoyolo; ngokuba niya kuba lilizwe elinanziweyo, utsho u-Yehova wemikôsi.

13 Amazwi enu andigixile, utsho u-Yehova. Nitî-ke, Sitêtê nto-nina ngawe?

14 Nitî, Akunto yanto ukumkônza u-Tîxo; sizuze nto-nina ngakuba sigcine isigxina sakê, sahambâ ngezimnyama zokuzila ngenxa ka-Yehova wemikôsi?

15 Kaloku-ke sitî banoyolo abakûkumeleyo; abanele kwakêka abenzi bokungendawo; basuka bamcikide u-Tîxo, basinde.

16 Kekaloku abamoyikayo u-Yehova batêtâ elowo nowabo; u-Yehova wazibaz' indlebe, weva; incwadi yokukûmbûza pâmbî kwakê yabâlelwa abamoyikayo u-Yehova, abacinga ngegama lakê.

17 Utî-ke u-Yehova wemikôsi, Baya kuba yinqobo kum ngemini endenza oku, ndibaconge, njengomntu oconga unyana wakê omkônzayo.

18 Nobuya-ke niwubone umahluko pâkatî kwelungisa nongendawo, pâkatî komkônzayo u-Tîxo nongamkônziyo.

4 Ngokuba yabonani, iyeza imini evutâ njengeziko; baya kuba zindiza bonke abakûkûmali nabenzi bonke bokungendawo, ibalenye lomini izayo, utsho u-Yehova wemikôsi, ingabashiyeli ngcambû nasebe.

Digitized by Google

2 Ke kuni nina baloyikayo igama lam, ilanga lobulungisa lipûme, linopíliso emapíkweni alo, niya kupûma, nidlobe njengamankonyana ase-stalini,
3 Nibaxovule abangendawo; ngokuba baya kuba lutûtû pântsi kwentende zenyawo zenu ngemini endenza oku, utsho u-Yehova wemikôsi.

4 Kûmbûlani umyalelo ka-Moses isicaka sam, endamwiselayo e-Horebe ngokusingisele kuma-Sirayeli onke, imimiselo namasiko.
5 Yabonani, ndiya kutûmela kuni u-Eliya um-profeti, ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo ka-Yehova,
6 Abuyisele intliziyo zoyise kubantwana, nentliziyo yabantwana koyise, hleze ndize ndilicîtê ilizwe ngokusingela pantsi.

Digitized by Google

Digitized by Google

I-TESTAMENTE ENTSHA

YEZIBALO ZONKE

ZOMNQOPISO OMTSHA

WENKOSI YETU

U-YESU KRISTU.

LONDON:
BRITISH AND FOREIGN BIBLE SOCIETY.
1906

Digitized by Google

THE RE-REVISED XOSA NEW TESTAMENT

1905-6

I-VANGELI

NGOKUBÅLWE

NGU-MATEYU.

ISIQENDU I.

INCWADI yomlibo wokuzalwa kuka-Yesu Kristu, unyana ka-Davide, unyana ka-Abraham.

2 U-Abraham wazala u-Isake; u-Isake-ke wazala u-Yakobi; u-Yakobi-ke wazala u-Yuda nabazalwana bakê;
3 U-Yuda-ke wazala u-Peretse no-Zera ngo-Tamar; u-Peretse-ke wazala u-Hetseron; u-Hetseron-ke wazala u-Aram;
4 U-Aram-ke wazala u-Aminadabi; u-Aminadabi-ke wazala u-Nashon; u-Nashon-ke wazala u-Salemon;
5 U-Salemon-ke wazala u-Bohazi ngo-Rahabi; u-Bohazi-ke wazala u-Obede ngo-Ruti; u-Obede-ke wazala u-Isayi;
6 U-Isayi-ke wazala u-Davide ukumkani.

U-Davide-ke ukumkani wazala u-Solomon ngobengumka-Uriya;
7 U-Solomon-ke wazala u-Rehabeham; u-Rehabeham-ke wazala u-Abiya; u-Abiya-ke wazala u-Asa;
8 U-Asa-ke wazala u-Yoshafati; u-Yoshafati-ke wazala u-Yoram; u-Yoram-ke wazala u-Uziya;
9 U-Uziya-ke wazala u-Yotam; u-Yotam-ke wazala u-Ahazi; u-Ahazi-ke wazala u-Hezekiya;
10 U-Hezekiya-ke wazala u-Manase; u-Manase-ke wazala u-Amon; u-Amon-ke wazala u-Yosiya;
11 U-Yosiya-ke wazala u-Yekoniya nabazalwana bakê ngexesha lokufuduselwa kwabo e-Babilon.[1]

12 Emveni-ke kokufuduselwa kwabo e-Babilon u-Yekoniya wazala u-Salatiyeli; u-Salatiyeli-ke wazala u-Zerubabeli;
13 U-Zerubabeli-ke wazala u-Abihudi; u-Abihudi-ke wazala u-Eliyakim; u-Eliyakim-ke wazala u-Azore;
14 U-Azore-ke wazala u-Tsadoki; u-Tsadoki-ke wazala u-Yakin; u-Yakin-ke wazala u-Elihudi;
15 U-Elihudi-ke wazala u-Elazar; u-Elazar-ke wazala u-Matan; u-Matan-ke wazala u-Yakobi;
16 U-Yakobi-ke wazala u-Yosefu indoda ka-Mariya, ekutê ngaye kwazalwa u-Yesu, okutíwa ngu-Kristu.

17 Zonke izizukulwana ngoko, ezitâbatêla ku-Abraham zizise ku-Davide, zizukulwana ezilishumi elinazine; nezitâbatêla ku-Davide zizise ekufuduselweni kwabo e-Babilon, zizukulwana ezilishumi elinazine; nezitâbatêla ekufuduselweni kwabo e-Babilon zizise ku-Kristu, zizukulwana ezilishumi elinazine.

18 Kekaloku ukuzalwa kuka-Yesu Kristu kwaye kungoluhlobo; kwatí, akubon' ukuba unina u-Mariya useleganelwe u-Yosefu, bengekahlangani, wafunyanwa emitî ngo-Moya Oyingcwele.
19 Watí-ke u-Yosefu indoda yakê, engolilungisa, engatândi ukumhlaza ekuhleni, wanga angamala ngasese.
20 Akubon' ukuba uyazicinga ezizinto, naso isitûnywa se-Nkosi sibonakala kuye epûpêni, sisitî, Yosefu nyana ka-Davide, mus'ukoyika ukumtâbatêla kuwe u-Mariya umfazi wakô; kuba oko kukâulweyo pâkatî kwakê kungo-Moya Oyingcwele.

[1] I-Babeli kwi-Test. endala.

Digitized by Google

21 Uya kuzala unyana-ke, umbize ngegama elingu-Yesu;[1] kuba yena eya kubasindisa abantu bakê ezonweni zabo.

22 Kekaloku oku konke kwenzeke, ukuze kuzaliseke okwatêtwayo yi-Nkosi ngom-profeti, isitî:

23 Yabonani, intombî-le iya kutwitâ i-zale unyana,
Bambize ngegama elingu-Imanuweli, oko kukutî ngentetô evakalayo, u-Tixo unatî. u-Yes. 7, 14.

24 Watî-ke u-Yosefu, evukile ebutô-ngweni, wenza ngoko besimmisele ngako isitûnywa se-Nkosi, wamtâbatêla kuye umfazi wakê;

25 Waza-ke akamazi, wada wazala unyana wakê wamazibulo; wambiza-ke ngegama elingu-Yesu.

2 Kutê-ke, akubon'ukuba u-Yesu uzelwe e-Betelehem yelakwa-Yuda emihleni ka-Herode ukumkani, kwabonakala kufika e-Yerusalem izazi zivela empumalanga,

2 Zisitî, Upîna lo uzelweyo, ukumkani wama-Yuda? kuba sibone inkwenkwezi yake empumalanga, size kuqubuda kuye.

3 Utê-ke u-Herode ukumkani, akuva, wakâtâzeka yena nayo yonke i-Yerusalem naye.

4 Wahlanganisa-ke bonke ababingeleli[2] abakûlu nababâli babantu, wababuza ukuba ubeya kuzalelwa pîna u-Kristu.

5 Batê-ke kuye, E-Betelehem yelakwa-Yuda; kuba kubâliwe ngom-profeti *kwatîwa:*

6 Nawe Betelehem, mhlaba wakwa-Yuda,
Akunguye nakanye omncinanana pâkatî kwabalauli bakwa-Yuda:
Kuba kuwe apâ kuya kupûma umlauli,
Onguyena uya kubalûsa abantu bam ama-Sirayeli. u-Mika 5, 2.

7 Kwakuba njalo u-Herode, ezibize ngasese izazi ezo, waqondisisa kakuhle kuzo ixesha lokubonakala kwenkwenkwezi leyo;

8 Wazitûma-ke e-Betelehem, watî, Hambâni niye nicokise ukubuzisa ngomntwana-lowo; xa-ke nitê namfumana, zenindibikele, ukuze nam ndiye kuqubuda kuye.

9 Zimvile-ke zona ukumkani zahambâ; nantso inkwenkwezi-leyo zayibonayo empumalanga izandulela, yada yaya kuma pêzu kwendawo abe kuyo umntwana-lowo.

10 Zatî-ke, zakuyibona inkwenkwezi, zavuya ngovuyo olukûlu kakûlu,

11 Zingenile endlwini, zambona umntwana eno-Mariya unina, zawa pântsi, zaqubuda kuye, zatî zinqike impahla yazo, zanikela kuye iminikelo, i-golide nentlak' emhlope ne-more.

12 Zati, kuba zihlatyelwe ngu-Tixo epûpêni ukuba zingabuye ziye ku-Herode, zemka ngayimbî indlela ukuya ezweni lakowazo.

13 Zitê zakubon'ukuba zimkile-ke zona, naso isitûnywa se-Nkosi sibonakala ku-Yosefu epûpêni, sisitî, Vuka umtâbatê umntwana nonina, usabele e-Yiputa, uze ube kôna apô ndide ndikuxelele; kuba u-Herode uhlalel' ukumfuna umntwana-lowo ukuba amtshabalalise.

14 Evukile-ke yena, wamtâbatâ umntwana nonina ebusuku, wemka waya e-Yiputa,

15 Waba kôna apô wada wabûbâ u-Herode; ukuze kuzaliseke okwatêtwayo yi-Nkosi ngom-profeti isitî: Ndambiza unyana wam ukuba apûme e-Yiputa. u-Hos. 11, 1.

16 Kekaloku u-Herode, akubona ukuba izazi zidlale ngaye, waba nomsindo kunene, waza watûmela, wababulala bonke abantwana abase-Betelehem, nakuyo yonke imida yayo, aba minyaka mibîni bezelwe, nangapântsi, elungelelanisa nexesha abeliqondisise kakuhle kuzo izazi.

17 Kwandula ukuzaliseka okwatêtwayo ngo-Yeremiya um-profeti, esitî:

18 Kwavakala izwi e-Rama,
Isimema nesililo nesijwili esikûlu,
U-Raheli elilela abantwana bakê,
Engavumi ukutûtûzeleka, ngokuba bengasekô. u-Yer. 31, 15.

19 Akubon' ukuba ubûbile-ke u-Herode, sabonakala isitûnywa se-Nkosi sibonakala epûpêni ku-Yosefu e-Yiputa,

20 Sisitî, Vuka umtâbatê umntwana nonina, uye ezweni lakwa-Sirayeli; kuba bafile abo bebezonda ubom bomntwana.

21 Wavuka-ke, wamtâbatâ umntwana nonina, weza ezweni lakwa-Sirayeli.

22 Kekaloku, akuva ukuba u-Arkelawo ungukumkani kwelakwa-Yuda esikûndleni sika-Herode uyise, woyika ukuhambâ asi-

[1] Elingum-Sindisi.
[2] Abeuzeleleli kwi-Test. tpdala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

nge kôna; watí-ke, ehlatyelwe ngu-Tíxo epûpêni, wemka waya kumacala elase-Galili.

23 Ufikê wema emzini ekutíwa yi-Nazarete; ukuze kuzaliseke okwatêtwayo ngaba-profeti, okokuba wobizwa ngokutí u-ngowase-Nazarete.

3 Kekaloku kutí ngalomihla kufikê u-Yohane um-bâptizi, ememeza entlango yelakwa-Yuda,

2 Esiti, Guqukani; kuba ubukumkani bamazulu busondele.

3 Kuba lo nguye awayetêtâ yena u-Yesaya um-profeti, esití:

Izwi lodandulukayo entlango, *lisití*,
Yilungiseni indlela ye-Nkosi,
Wutyenenezeni umendo wayo.

u-Yes. 40, 3.

4 Ke u-Yohane-lowo ingubo yakê ibi yeyoboya ben-kamela, enombinqo wentlonze esinqeni sakê; kwaye-ke ukudla kwakê kuzinkumbí nobusi basendle.

5 Babepûma oko besiya kuye abase-Yerusalem nabelakwa-Yuda bonke nabommandla wonke wase-Yordan,

6 Babâptizwa nguye e-Yordan apô, bezixela izono zabo.

7 Kekaloku, akubona into eninzi yaba-Farisi naba-Sadusi besiza ekubâptizeni kwakê, watí kubo, Nzalandini yamafambâ, ngubanina onibonisileyo ukuba niyibaleke ingqumbo ezayo?

8 Velisani ngoko isiqâmo eziyifaneleyo inguquko;

9 Ize ningabi nití pâkatí kwenu, Tina sinobawo u-Abraham; kuba nditi kuni, Unakô u-Tíxo kuwo lamatye ukumvelisela abantwana u-Abraham.

10 Kananjalo izembê selibekíwe ezingcanjini zemití; ngoko yonke imití engavelisi siqâmo sihle iyagaulwa ipôswe emlilweni.

11 Mna okunene ndinibâptizela enguqukweni ngamanzi; kodwa lowo uzayo emva kwam unamandla kunam, ozimbâdada ndingakulingeneyo ukuzipâtâ; yena-ke uya kunibâptiza ngo-Moya Oyingcwele nangomlilo:

12 Omnyazi wokwela usesandleni sakê, uya kusicokisa kutí-tu isanda sakê, ayibutêle kuvimbâ inqôlowa yakê, kodwa wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo.

13 Kutí ngeloxa afike u-Yesu e-Yordan ku-Yohane evela kwelase-Galili, ukuba abâptizwe nguye.

14 Kekaloku u-Yohane wayemalela, esití, Mna kufuneka ndibâptizwe nguwe-nje, uza kum-na wena?

15 Upêndule-ke u-Yesu watí kuye, Vuma okwakaloku; kuba kusifanele tina ukwenje njalo ukuzalisa bonke ubulungisa. Andule-ke ukumvumela.

16 Ebâptiziwe-ke u-Yesu, wenyuka kwa oko emanzini; asuka amazulu avuleka kuye, wambona u-Moya ka-Tíxo esihla njengehobe esiza pêzu kwakê.

17 Nalo izwi lipûma ezulwini, lisití, Lo ngunyana wam oyintânda, endikôlisiweyo nguye.

4 Waza u-Yesu wenyuswa ngu-Moya, wasiwa entlango, ukuba ahendwe ngumtyôli.

2 Utê akuba ezile ukudla imini ezimashumi mane nobusuku obumashumi mane, ekupêleni kwazo walambâ.

3 Efikile-ke umhendi kuye, utê, Ukuba ungu-Nyana ka-Tíxo, yitsho lamatye abe zizonka.

4 Wapêndula-ke yena watí, Kubâliwe *kwatíwa*, Akapíli ngasonka sodwa umntu, *upíla* ngamazwi onke apûma emlonyeni ka-Tíxo.

5 Aze umtyôli amtâbatê amse kuwo umzi ongcwele, ammise elucôcôyini lwetempile,

6 Atí-ke kuye, Ukuba ungu-Nyana ka-Tíxo, zipôse ezantsi; kuba kubâliwe *kwatíwa*,

Uya kuziwisela umtêtô ngawe izitûnywa zakê zasezulwini,
Zikufukule ngezandla,
Hleze ubetêke ngonyawo lwakô etyeni.

in-Dum. 91, 11.

7 Watí u-Yesu kuye, Kubâliwe kanjalo *kwatíwa*, Uz'ungayihendahendi i-Nkosi u-Tíxo wakô.

8 Ubuya umtyôli amtâbatê amse entabeni epâkame kakûlu, ambonise zonke izikumkani zehlabatí nozuko lwazo,

9 Atí kuye, Zonke ezizinto ndokunika, ukuba utê wawa pântsi, waqubuda kum.

10 Aze atí u-Yesu kuye, Suk' umke, Satana; kuba kubâliwe *kwatíwa*, Yi-Nkosi u-Tíxo wakô oya kuqubuda kuye, ukônze yona yodwa.

11 Andule-ke umtyôli ukumyeka; na-

Digitized by Google

nko kufika izitûnywa zezulu zimlungiselela.
12 Kekaloku, akuva u-Yesu, ukuba u-Yohane unikelwe *entolongweni*, wemka waya kwelase-Galili;
13 Watî esukile e-Nazarete, weza wahlala e-Kapernahum engaselwandle emideni yakwa-Zebulon neyakwa-Nafetali,
14 Ukuze kuzaliseke okwatêtŵayo ngo-Yesaya um-profeti, esitî,
15 Umhlaba wakwa-Zebulon nomhlaba wakwa-Nafetali,
Wendlela yaselwandle, pêsheya kwe-Yordan,
Wase-Galili yen-Tlanga,
16 Abantu abo bahleli ebumnyameni
Babone ukukânya okukûlu,
Nabo bahleli ezweni nasetûnzini lokufa,
Bavelelwe kukukânya. u-Yes. 9, 1.

17 Waqala oko u-Yesu ukumemeza, esitî, Guqukani; kuba ubukumkani bamazulu busondele.

18 Utê-ke u-Yesu, ehambâ ngaselwandle lwase-Galili, wabona abazalwana ababini, u-Simon ekutîwa ngu-Petros no-Andreya umzalwana wakê, bepôsa inetê elwandle; kuba bebe ngababambîsi bentlanzi.
19 Atî-ke kubo, Yizani apâ nindilandele, ndonenza ababambîsi babantu.
20 Bayishiya kwa oko iminatâ, bamlandela-ke.
21 Uhambêle pâmbîli esuka apô, wabona abanye abazalwana ababini, u-Yakobi lo ka-Zebedi no-Yohane umzalwana wakê, besemkômbêni no-Zebedi uyise, belungisa iminatâ yabo; wababiza-ke.
22 Bawushiya kwa oko umkômbe noyise, bamlandela-ke.

23 Waye u-Yesu elihambâ lonke elase-Galili, efundisa ezindlwini zabo zesikûngu, evakalisa indaba ezilungileyo zobukumkani, epîlisa izifo zonke nezikûhlane zonke ebantwini.
24 Lwapûma-ke udumo lwakê lwaya kulo lonke elase-Siriya,[1] babazisa kuye bonke abafayo bebanjwe zizifo ngezifo nazintutûmbô ngentutûmbô, nabapêtŵe zidemon, nabanesatûtŵane, nabanedumbê, wabapîlisa-ke.
25 Walandelwa zizihlwele ezininzi zivela kwelase-Galili, nase-Dekapoli, nase-Yerusalem, nakwelakwa-Yuda, napêsheya kwe-Yordan.

5 Utê-ke, akuzibona indimbâne-ezo, wenyuka intaba; waza akuhlala pântsi beza kuye abafundi bakê.
2 Wawuvula umlomo wakê, wabafundisa, esitî,

3 Banoyolo abangamahlwempu ngomoya; ngokuba ubukumkani bamazulu bobabo.

4 Banoyolo abakêdamileyo; ngokuba baya konwatyiswa bona.

5 Banoyolo abanobulali; ngokuba umhlaba baya kuwudla ilifa bona.

6 Banoyolo abalambêla banxanele ubulungisa; ngokuba baya kuhlutiswa bona.

7 Banoyolo abanenceba; ngokuba baya kwenzelwa inceba bona.

8 Banoyolo abahlambulukileyo intliziyo; ngokuba baya kumbona u-Tixo bona.

9 Banoyolo abaxolisi; ngokuba baya kubizwa ngokutî bangonyana baka-Tixo bona.

10 Banoyolo abatshutshiswa ngenxa yobulungisa; ngokuba ubukumkani bamazulu bobabo.
11 Ninoyolo nina, xa batê *abantu* baningcikiva, banitshutshisa, batêtâ zonke izinto ezikôhlakeleyo ngani bexoka, ngenxa yam.
12 Vuyani nigcobe kunene; ngokuba umvuzo wenu mkulu emazulwini; kuba benje njalo ukubatshutshisa aba-profeti ababekô pâmbî kwenu.

13 Niyityuwa yomhlaba nina; ke ukuba ityuwa itê yanyeliseka, yotîwa-nina ukuvakaliswa? ayisalungele nto, kukulahlwa pândle kupêla, inyatêlwe ngabantu.
14 Nina nilukânyiselo lwehlabatî; umzi omi pêzu kwentaba awunakufihlakala;
15 Kananjalo abasibaneki isibane basibeke pântsi kwesitya, basibeka esipâtŵeni *saso*, sikânyisele bonke abasendlwini.
16 Malukânye ngokunjalo ukânyiselo

[1] Elakwa-Aram kwi-Test. endala.

Digitized by Google

lwenu pâmbî kwabantu, ukuze bayibone imisebenzi yenu emihle, bamzukise uyihlo osemazulwini.

17 Ningabi ndize kucîta umtêtô nokuba ngaba-profeti; andize kucîta, ndize kuzalisekisa.

18 Kuba inene nditî kuni, Koda kudlule izulu nomhlaba, kungakânga kudlule nalinye iganyana nokuba lisuntswana emtêtweni, kude kwenzeke konke.

19 Otê ngoko wacîtâ noko umnye kulemitêtô mincinanana, wabafundisa abantu ngokunjalo, kotîwa ngomncinanana ebukumkanini bamazulu; otê wenza wafundisa *ngayo*, kotîwa ngomkûlu ebukumkanini bamazulu.

20 Kuba nditî kuni, Ukuba ubulungisa benu abutânga bugqite kakûlu kobababâli naba-Farisi, anisokuze ningene ebukumkanini bamazulu.

21 Nivile ukuba kwatîwa kumanyange: Uz'ungabulali; wotî otê wabulala abe sisulu somgwebo.

22 Ke mna nditî kuni, Wonke umntu ofumane amqumbêle umzalwana wakê, woba sisulu somgwebo; otê-ke kumzalwana wakê, Ntwingento, woba sisulu sentlanganiso yamatyala; otê-ke, Siyatândini, woba sisulu sesihogo somlilo.

23 Ngoko xa sukuba uwusondeza umnikelo wakô esibingêlelweni, watî ulapô wakûmbûla ukuba umzalwana wakô unendawo ngakuwe,

24 Wushiye apô umnikelo wakô pâmbî kwesibingelelo, uhambê uye uxolelane nomzalwana wakô kuqala, wand' ukuza uwusondeze umnikelo wakô.

25 Lungisana kamsinya nokumangaleleyo, usesendleleni naye; hleze ummangaleli-lowo akunikele emgwebini, aze umgwebi akunikele kumsila, uze upôswe entolongweni.

26 Inene nditî kuwe, Akusayi kukê upûme kôna apô, ude uhlaule nemalanana [1] yokugqibela.

27 Nivile ukuba kwatîwa kumanyange: Uz'ungařexezi.

28 Ke mna nditî kuni, Wonke umntu okângela umntu oyinkazana ukuba amkânuke, usel'emřexezile entliziyweni yakê.

29 Ukuba-ke iliso lakô lokunene liyakukûbekisa, linyotûle ulilahle kuwe; kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akô, kunokuba umzimbâ wakô upêla upôswe esihogweni.

30 Nokuba isandla sakô sokunene siyakukûbekisa, sinqamle usilahle kuwe; kuba kukulungele kanye ukuba kutshabalale libe linye emalungwini akô, kunokuba umzimbâ wakô upêla upôswe esihogweni.

31 Kwatîwa-ke: Otê wamala umfazi wakê, makamnike *incwadi* yokwahlukana.

32 Ke mna nditî kuni, Otê wamala umfazi wakê ngapândle kwendawo yombulo, uyamřexezisa; notê wazeka owaliweyo, uyařexeza.

33 Kanjalo nivile ukuba kwatîwa kumanyange: Uz'ungafungi buxoki, wâkutî uzifeze e-Nkosini izifungo zakô.

34 Ke mna nditî kuni, Maningakê nifunge nto; nokuba lizulu, ngokuba yi-trone ka-Tîxo;

35 Nokuba ngumhlaba-lo, ngokuba situlo senyawo zakê; nokuba yi-Yerusalem, ngokuba ngumzi wo-Kumkani omkûlu.

36 Uz' ungayifungi nentloko yakô, ngokuba unge namandla okwenza nalunye unwele lube mhlope, nokuba lube mnyama.

37 Ilizwi lenu-ke malibe ngu-ewe, ewe, ngu-hayi, hayi; okugqite koko-ke kuvela kokungendawo.

38 Nivile ukuba kwatîwa: Iliso *malipindezelwe* ngeliso, nezinyo ngezinyo.

39 Ke mna nditî kuni, Maningasunduzani nokungendawo; yitî osukuba ekutywařaza esidleleni sakô sokunene, umguqulele nesinye eso.

40 Nalowo ufuna ukukumangalela, akuhlute ingubo yangapântsi, myekele neyokwaleka.

41 Nosukuba ekunyanzelela i-mayile [1] enye, hambâ naye zibe mbîni.

42 Mpê lowo ukucelayo, nalowo ufuna ukuboleka kuwe, ungamnikeli umva.

43 Nivile ukuba kwatîwa: Uz' ulutânde umelwane lwakô, ulutîye utshaba lwakô.

44 Ke mna nditî kuni, Zitândeni intshaba zenu, basikeleleni abo baniqalekisayo, benzeleni okulungileyo abo banitîyayo, ni-

[1] Imalanana ezilishumi elinantandatu yitiki.

[1] I-mayile izinyawo ezimawaka mane anamakûlu mahlanu anamanci asitoba anambini.

Digitized by Google

batândazele abo banigxekayo banitshutshise;
45 Ukuze nibe ngabantwana boyihlo osemazulwini; ngokuba ilanga lakê elenza lipûme pêzu kwabakôhlakeleyo nabalungileyo, nemvula eyinisa pêzu kwabalungisayo nabangalungisiyo.
46 Kuba xa nitê natânda abo banitândayo, ninamvuzo mnina? abenzi kwa lonto yinina nababutî be-fafu?
47 Naxa nitê nabulisa abazalwana benu bodwa, yinto-nina egqitisileyo eniyenzayo? abenje njalo yinina nababutî be-fafu?
48 Ngoko yibani ngabagqibeleleyo njengokuba u-Yihlo osemazulwini egqibelele.

6 Lumkani, ubulungisa benu ningabenzeli ebusweni babantu ngokunga ningabonwa ngabo; okanye, aninamvuzo ku-Yihlo osemazulwini.

2 Ngoko xa sukuba uliza abantu, ungahlokomisi xilongo pâmbî kwakô, njengoko benza ngako abahanahanisi ezindlwini zesikûngu nasezi-trateni, ukuze bazukiswe ngabantu. Inene nditî kuni, Bawufincile umvuzo wabo.
3 Ke wena, xa uliza abantu, masingazi *isandla* sakô sokôhlo into eyenziwa sisandla sakô sokunene,
4 Ukuze amalizo akô abe semfihlekweni; aze u-Yihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni yena.

5 Naxa sukuba utândaza, uz'ungabi njengabahanahanisi; ngokuba betânda ukutândaza bemi ezindlwini zesikûngu nasezimbômbêni zezi-trate, ngokokuze babe nokubonwa ngabantu. Inene nditî kuni, Bawufincile umvuzo wabo.
6 Ke wena, xa sukuba utândaza, ngena egumbîni lakô, utî wakuluvala ucango lwakô, utândaze ku-Yihlo osemfihlekweni; aze no-Yihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni.
7 Nitândaza njalo-ke maningenzi milembêlele ingeyanto njengaben-Tlanga; kuba beba boviwa ngenxa yamazwi abo amaninzi.
8 Ngoko maningafani nabo; kuba ekwazi u-Yihlo enikusweleyo ningekamceli.
9 Tândazani ngoko nina nenje nje: Bawo wetû osemazulwini, malingcwaliswe igama lakô.
10 Mabufike ubukumkani bakô. Makwenziwe ukutânda kwakô nasemhlabeni njengokuba *kusenziwa* ezulwini.
11 Sipê namhla isonka setû semihla ngemihla.
12 Usixolele amatyala etû, njengokuba natî sibaxolela abo banamatyala kutî.
13 Ungasingenisi ekuhendweni, sihlangule enkohlakalweni. Ngokuba bubobakô ubukumkani, namandla, nozuko kuse kuwo amapâkade. Amen.
14 Kuba xa nitî nibaxolele abantu izipôso zabo, u-Yihlo osezulwini wonixolela nani.
15 Xa nitî ningabaxoleli abantu izipôso zabo, no-Yihlo-ke akayi kunixolela izipôso zenu.

16 Xa sukuba-ke nizila ukudla, maningabi njengabahanahanisi bona bamatshekileyo; kuba bebenza bubi ubuso babo, ukuze babonakale ebantwini ukuba bazililê. Inene nditî kuni, Bawufincile umvuzo wabo.
17 Ke wena, wakuzila, yitâmbîse intloko yakô, ubuhlambê ubuso bakô.
18 Ukuze ungabonakali ebantwini ukuba uzilile, ubonakale ku-Yihlo osemfihlekweni; aze u-Yihlo obona emfihlekweni akubuyisele ekuhleni.

19 Ningaziqwebeli ubutyebi emhlabeni, apô konakalisa inundu nomhlwa, nalapô amasela agqobozayo ebê:
20 Ziqwebeleni-ke ubutyebi ezulwini, apô kungonakalisi nundu namhlwa, nalapô amasela angagqoboziyo ebê;
21 Kuba apô bukôna ubutyebi benu, yoba lapô nentliziyo yenu.
22 Isibane somzimbâ liliso; xa sukuba iliso lakô ngoko linge nakumbî, umzimbâ wakô upêla wokânyiseleka.
23 Kodwa xa sukuba iliso lakô likôhlakele, umzimbâ wakô upêla woba bubumnyama. Ukuba ngoko ukukânya okukuwe kububumnyama, bungakana-nina ubumnyama obo!
24 Akukô mntu unakô ukukônza nkosi mbîni; kuba eya kuyitîya lê ayitânde leya, atî mhlaumbî abambêlele kulê ayidele leya. Aninakô ukukônza u-Tixo nobutyebi.
25 Ngenxa yoko nditî kuni, Musan' ukubuxâlela ubomi benu, *nisitî* nodla nto-nina, nosela nto-nina; kwa nomzimbâ

Digitized by Google

wenu, *nisiti* niya kwambåtå nto-nina. Ubomi abungapêzulu-na kuko ukudla, nomzimbå *awungapêzulu-na* kwinto yokwambåtå?

26 Yondelani ezintakeni zasezulwini; ngokuba azihlwayeli, azivuni azibutêli kovimbå; ukanti-ke u-Yihlo osezulwini uyazondla; nina anizidlule kakûlu-na?

27 Nguwupîna-ke kuni onokutî ngokuxåla ongeze ebukûlwini bake i-kubite ibe nye?

28 Kanjalo yinina ukuba nixålele into yokwambåtå? gqalani inyibiba zasendle, ukuhluma kwazo; azibulaleki azisonti nokusonta;

29 Ke ndití kuni, No-Solomon kubo bonke ubunewunewu bakê wayengavatiswanga nanjenganye kuzo ezi.

30 Ukuba-ke incå-leyo yasendle, etî namhla ibekô, ize ngomso ipôswe eziko, wenje njalo u-Tîxo ukuyambåtîsa, akayi *kunambåtîsa* kakûlu ngakumbî-na, *bantundini* balukôlo luncinane?

31 Musan' ukuxåla ngoko, nisitî, Sodla nto-nina, sosela nto-nina, siya kwambåtå nto-nina?

32 Kuba zonke ezonto zinxånyelwe zin-Tlanga; kuba u-Yihlo wasezulwini uyazi ukuba ezonto zonke ziyafuneka kuni.

33 Funani-ke tanci ubukumkani buka-Tîxo nobulungisa bakê, zâye zonke ezonto ziya kongezelelwa kuni.

34 Ngoko musan' ukuxålela ingomso; kuba ingomso liya kuxålela okwalo. Buyanele imini leyo obayo ububi.

7 Musan' ukugweba, ukuze ningagwetywa.

2 Kuba ngogwebo enigweba ngalo niya kugwetywa *kwangalo* nani; nangomlinganiselo enilinganisela abanye ngawo niya kulinganiselwa *kwangawo* nani.

3 Yinina-ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakô, kanti akuwuqiqi wona umqadi okwelakô iliso?

4 Okanye ungatî-nina ukutî kumzalwana wakô, Yeka ndisikûpe isibi eso esweni lakô, kanti nango umqadi kwelakô iliso.

5 Mhanahanisindini, wukûpe kuqala umqadi-lowo esweni lako, wand' ukubona kakuhle ukusikûpâ isibi esisesweni lomzalwana wakô.

6 Musan' ukukunika izinja okungcwele, kanjalo ningazipôsi i-perile zenu pâmbî kwehangu, hleze zizinyatêle ngamanqina azo, zijike ziniqwenge.

7 Celani, nopîwa; funani, nofumana; nqonqozani, novulelwa;

8 Kuba wonke umntu ocelayo uyazuza, nalowo ufunayo uyafumana, nalowo unqonqozayo uya kuvulelwa.

9 Nguwupîna umntu kuni ongatî, ukuba unyana wakê utê wacela isonka, amnike ilitye?

10 Atî, ukuba utê wacela intlanzi, amnike inyoka?

11 Ukuba ngoko nina, nikôhlakele-nje, niyakwazi ukubapâ abantwana benu izipô ezilungileyo, wobeka pîna yena uyihlo osemazulwini ukugqitisela ngokubapâ okulungileyo abo bamcelayo?

12 Zonke izinto ngoko enisukuba ninga bangazenza abantu kuni, yenzani ezikwanjalo nani kubo; kuba oko kungumtêtô naba-profeti.

13 Ngenani ngesango elimxinwa; ngokuba libanzi isango, ipângalelê nendlela esa entshabalalweni; baninzi-ke abangena ngalo;

14 Ngokuba limxinwa isango, icutêne nendlela esa ebomini; bambålwa-ke abalifumanayo.

15 Kekaloku balumkeleni aba-profeti ababuxoki, abeza kuni ngezambåtô zegusha, ngapåkatî-ke bezincûka eziqwengayo.

16 Nobaqonda ngeziqâmo zabo. Kekukîwe i-diliya emitâneni enameva namakiwane ezinkunzaneni yinina?

17 Ngokunjalo yonke imitî elungileyo ivelisa iziqâmo ezihle, ke wona umtî ongenguwo uvelisa iziqâmo ezibi.

18 Umtî olungileyo awunakuvelisa iziqâmo zibi, nomti ongenguwo awunakuvelisa ziqâmo zihle.

19 Wonke umtî ongavelisi ziqâmo zihle uyagaulwa, upôswe emlilweni.

20 Ngoko-ke nobaqonda ngeziqâmo zabo.

21 Asingabo bonke abatî kum, Nkosi, Nkosi, abaya kungena ebukumkanini bamazulu; ngokwenzayo ukutânda kuka-Bawo osemazulwini.

22 Baninzi abaya kutî kum ngalomini, Nkosi, Nkosi, sasingatê-na ngegama lakô saprofeta, satî ngegama lakô sakûpâ

Digitized by Google

i-demon, satî ngegama lakô senza imisebenzi yamandla emininzi?
23 Ndandule ndibaxelele, *nditî*, Andizanga ndinazi; mkani kum, nina nenza okucâsene nomtêtô.
24 Wonke umntu osukuba ngoko eweva lamazwi am, awenze, ndomfanekisa nendoda eyingqondi, yona yayakêlayo etâleni indlu yayo.
25 Yehla imvula, yeza imilambô, yavutûza imimoya, yagaleleka kulondlu; ayawa; kuba ibisekelwe etâleni.
26 Nomntu wonke owevayo lamazwi am, angawenzi, wofanekiswa nendoda esiyatâ, yona yayakêlayo entlabatini indlu yayo,
27 Yehla imvula, yeza imilambô, yavutûza imimoya, yabetâ kulondlu; yawa; sasikûlu-ke isiwo sayo.

28 Kutê-ke, xenikweni u-Yesu ebewagqibile lamazwi, yakẘanqiswa indimbâne kukufundisa kwakê;
29 Kuba ebezifundisa njengonegunya, enga*fundisi* njengabo ababâli.

8 Kekaloku akuhla entabeni apô, walandelwa ngabantu abaninzi.
2 Nanko kusiza oneqênqa, waqubuda kuye, esitî, Nkosi, ukuba uyatânda, unakô ukundihlambûlula.
3 Wasolula isandla u-Yesu, wamcûkumisa, esitî, Ndiyatânda, hlambûluka. Lahlambûluka kwa oko iqênqa lakê.
4 Atî u-Yesu kuye, Lumka ungaxeleli bani; hambâ uye kuzibonisa kumbingeleli,[1] usondeze umnikelo awamisa wona u-Moses, ube bunqîna kubo.

5 Kekaloku akubon'ukuba u-Yesu ungene e-Kapernahum, kweza kuye umtêtêlikûlu embongoza,
6 Esitî, Nkosi, isicaka sam silele ngendlu sinedumbê, sitûtûnjelwa ngokoyikekayo.
7 Atî u-Yesu kuye, Ndoza ndisipîlise mna.
8 Wapêndula umtêtêli-kûlu, watî, Nkosi, andikulingene ukuba ude ungene pântsi kopâhla lwam; têtâ ilizwi lodwa, sopîliswa isicaka sam.
9 Kuba nam ndingumntu opântsi kwegunya *labanye*, ndinama-soldati pântsi kwam; nditî kweli, Yiya, liye; kweliya, Yiza, lize; kumkônzi wam, Yenza oku, akwenze.
10 Evile-ke u-Yesu wamangaliswa, watî kwabalandelayo, Inene nditî kuni, andifumananga lukôlo lungaka nakwa-Sirayeli.
11 Nditî-ke kuni, Baninzi abaya kufika bevela empumalanga nasentshonalanga, banqênqe ndawo-nye no-Abraham no-Isake no-Yakobi ebukumkanini bamazulu.
12 Kodwa bona abantwana bobukumkani baya kukûtshelwa emnyameni ongapândle; kôna apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo.
13 Waza watî u-Yesu kumtêtêli-kûlu, Hambâ-ke, makwenzeke kuwe ngokokôlo lwakô. Sapîliswa kwa ngalo elolixa isicaka sakê.
14 Kekaloku u-Yesu wangena endlwini ka-Petros, wabona umkẘekazi wakê elele, esifa yicesina.
15 Waza wacûkumisa isandla sakê, yamyeka icesina; wavuka-ke, wabalungiselela.
16 Kutê-ke kwakuhlwa, kwaziswa kuye into eninzi yabapetẘe zi-demon; wabakûpâ omoya abo ngelizwi, watî nabo bonke abafayo wabapîlisa;
17 Ukuze kuzaliseke okwatêtẘayo ngo-Yesaya um-profeti, esitî: Yena ngokwakê wabutâbatâ ubulwelwe betû, wazitẘala izifo zetû. u-Yes. 53, 4.

18 Utê-ke u-Yesu, akubona abantu abaninzi bempâhlile, watî makumkiwe kuyiwe ngapêsheya.
19 Kweza umbâli otîle, watî kuye, Mfundisi, ndiya kukulandela apô ungaya kôna.
20 Atî u-Yesu kuye, Impungutye zineminxûma, nentaka zezulu zinendawo zokuhlala, yena u-Nyana womntu akanandawo apô angalalisa kôna intloko.
21 Utê-ke omnye wabafundi bakê kuye, Nkosi, ndivumele ndiye kuncẘaba ubawo kuqala.
22 Watî-ke u-Yesu kuye, Landela mna, ubayeke abafileyo bancẘabe abafileyo babo.

23 Engenile-ke emkômbêni, bamlandela abafundi bakê.
24 Kwasuka kwabakô uqẘitela olukûlu elwandle, ngokokude umkômbê ugutyu-

[1] Abanzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

ngelwe ngamaza; waye-ke yena elele ubutôngo.

25 Beza abafundi bakê bamvusa, besitî, Nkosi, sisindise, satshabalala.

26 Atî kubo, Yinina ukuba nibe ngamagwala, bantundini balûkolo luncinane? Waza wavuka wayikâlimela imimoya nolwandle; kwabakô ukuzola okukûlu.

27 Bamangaliswa-ke abantu abo, besitî, Ngumntu mnina lo, ento alulanyelwayo nayimimoya nalulwandle.

28 Kutê akufika ngapêsheya, ezweni lama-Gergasi, kwaqubisana naye *abantu* ababini abapêtwe zi-demon bepûma emancwabeni, belugcalagcala, kwada kwayinkohla ukuba kudlule umntu ngalondlela.

29 Basuka bakâla besitî, Yinto-nina enatî nawe, Yesu, Nyana ka-Tîxo? apâ uze kusitûtûmbîsa-na pâmbî kwe*lona* xesha?

30 Bekukô-ke mgama kubo ugxuba olukûlu lwehangu lusidla.

31 Zaye-ke i-demon zimbongoza, zisitî, Ukuba uyasikûpâ, sivumele siye kungena elugxubeni lwehangu-oluya.

32 Wati kuzo, Yiyani. Zapûma-ke zaya kungena elugxubeni lwehangu; lwasuka lonke ugxuba lwehangu lwapâpâtêka, lwehla eweni, lwela elwandle; lwatshabalalela emanzini.

33 Batê-ke abo babelwalûsa basaba, baya ekâya, babika into yonke, kwa nendawo yababepêtwe zi-demon.

34 Wasuka wonke umzi wapûma waya kumhlangabeza u-Yesu; batî bakumbona, bambongoza ukuba agqite kulomida yabo.

9 Engenile-ke emkômbeni, wawela, weza kufika emzini wakowabo.

2 Kekaloku bazisa kuye *umntu* onedumbê elele elukûkweni. U-Yesu elubona ukôlo lwabo, watî kuye onedumbê, Mntwanam, yomelela, zixolelwe izono zakô.

3 Besuka ababâli abatîle, batî pâkatî kwabo, Lo uyanyelisa.

4 U-Yesu ezibona ingcingane zabo watî, Yinina ukuba nicinge into ezikôhlakeleyo ezintliziyweni zenu?

5 Kuba okukona kulula kukupîna, kukô ukutî, Zixolelwe izono zakô; kukô nokutî, Vuka uhambê?

6 Kodwa ukuze nazi ukuba unalo igunya emhlabeni u-Nyana womntu lokuxolela izono, selesitî konedumbê, Vuka, utâbatê ukûko lwakô, uye endlwini yakô.

7 Wavuka-ke wemka waya endlwini yakê.

8 Zikubonile-ke *oko* indimbâne, zamangaliswa, zamzukisa u-Tîxo, obanike abantu igunya elingaka.

9 Edlula apô u-Yesu wabona umntu ehleli endaweni ye-fafu, okutîwa ngu-Mateyu; atî kuye, Ndilandele. Wesukake, wamlandela.

10 Kwatî, akubon'ukuba uhleli *ngasesitêbeni* endlwini, kwabonakala into eninzi yabatî be-fafu naboni yeza yahlala ndawo-nye no-Yesu nabafundi bakê.

11 Bakukubona *oko* aba-Farisi, batî kubafundi bakê, Kunganina ukuba umfundisi wenu adle nababatî be-fafu naboni?

12 Ekuvile-ke u-Yesu *oko*, watî kubo, Akufuneki gqîfa kwabapîlileyo, *lifuneka* kwabafayo.

13 Kâniye nifunde ukuba kukutî-nina ukutî, Nditânda inceba, and*itândi* mbingelelo; kuba andize kubiza malungisa, ndize kubiza aboni ukuba baguquke.

14 Baza bafika kuye abafundi baka-Yohane, besitî, Kunganina ukuba sizile ukudla kaninzi tîna naba-Farisi, kanti bona abafundi bako abakuzili?

15 Watî u-Yesu kubo, Banakô yinina abegumbî lomtshakazi ukukêdama logama umyeni asenabo? kodwa kuya kufika mihla, awotî asuswe kubo umyeni, bandule-ke ukuzila.

16 Akukô-ke ubeka isizîba somcâko omtsha engutyeni endala; kuba eso sifakiweyo siyafazula engutyeni, sibe sibi ngokunye isifoba.

17 Kanjalo ayitîwa i-wayini entsha ezintsubeni ezindala; kwenjiwe njalo, zingagqabuka intsuba, ipâlale i-wayini, zitshabalale intsuba; yona i-wayini entsha itîwa ezintsubeni ezintsha, zigcinakale ezonto zombîni.

18 Akubon'ukuba uyazitêtâ ezizinto kubo, nanko kusiza umpâtî, waqubuda kuye, esitî, Intombî yam ibûbê ngoku, yiza ubeke isandla sakô pêzu kwayo, yopîla.

19 Wesuka u-Yesu wamlandela, kwa nabafundi bakê.

20 Nanko kusiza ntokazi itîle, eyayi netômbô legazi iminyaka elishumi elinami-

Digitized by Google

bini, yafika ngasemva, yacûkumisa intshinga yengubo yakê;
21 Kuba ibisitî ngapâkatî kwayo, Ukuba nditê ndacûkumisa ingubo yakê-nje kodwa, ndopîliswa.
22 Wajika u-Yesu, wayibona, watî, Ntombî yam, yomelela, ukôlo lwakô lukusindisile. Yasindiswa lontokazi kwa ngelolixa.
23 Utê akufika u-Yesu endlwini yompâtî, wazibona ingwali nabantu abaninzi bepîtîzela;
24 Atî kubo, Kwelelani; kuba intombâzana ayifile, ilele. Basuka bamwa ngentsini.
25 Utê-ke bakukûtshelwa pândle abantu, wangena wayibambâ ngesandla, yaza yavuka intombâzana-leyo.
26 Lwaza lwapûma udumo lwalento, lwaya kuwo wonke lomhlaba.

27 Kutê-ke akub'edlula apô u-Yesu, walandelwa zimfama ezimbîni, zidanduluka, zisitî, Senzele inceba, nyana wa-Davide.
28 Zitê, akungena-ke endlwini, zeza kufika kuye imfama; atî kuzo u-Yesu, Niyakôlwa-na ukuba ndinakô ukukwenza oko? Zitê kuye, Ewe, Nkosi.
29 Wand' ukuwacûkumisa amehlo azo, esitî, Ngokokôlo lwenu makwenzeke kuni.
30 Avuleka-ke amehlo azo. Waza u-Yesu waziyala kalukûni, esitî, Lumkani ingaziwa mntu lento.
31 Kodwa zona zapûma, zalubêngeza udumo lwakê kuwo wonke lomhlaba.

32 Kekaloku zakubon'ukuba ziyapûma, kwabonakala kuziswa kuye umntu osisidenge opêtwe yi-demon.
33 Kwatî, yakukûtshwa i-demon, satêtâ isidenge; zamangaliswa indimbâne, zisitî, Akuzanga kubonwe okunje kwa-Sirayeli.
34 Ke bona aba-Farisi babesitî, I-demon ezi uzikûpâ ngaye umpâtî we-demon.

35 Waye u-Yesu eyihambâ yonke imizi nemizana, efundisa ezindlwini zabo zesikûngu, evakalisa indaba ezilungileyo zobukumkani, epîlisa izifo zonke nezikûhlane zonke ebantwini.
36 Watî, akuzibona indimbâne, wasikwa yimfesane zizo, ngokuba zibe zityafile, zicîtakele ngokwezimvu ezinge namalûsi.
37 Aze atî kubafundi bakê, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambâlwa.
38 Kûngani ngoko e-Nkosini yokuvuna, ikûpê abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo.

10 Waza wababizela kuye abafundi bakê abalishumi elinababini, wabanika igunya komoya abanocôlileyo, ukuze babakûpê, nelokupîlisa izifo nezikûhlane zonke.

2 Amagama-ke aba-postile abo balishumi elinababini ngawo la: Owokuqala, u-Simon ekutîwa ngu-Petros, no-Andreya umzalwana wakê; u-Yakobi ka-Zebedi, no-Yohane umzalwana wakê;
3 U-Filipu no-Bartolomeyu; u-Tomas no-Mateyu umbutî we-fafu; u-Yakobi ka-Alifeyu, no-Lebeyu ogama limbî lingu-Tadeyu;
4 U-Simon um-Kanan, no-Yuda Sikariyoti, lowo wamnikelayo.
5 Abo bashumi linababini wabatûma u-Yesu, akuka ebayalile, watî,
Zeningasingi endleleni yen-Tlanga, ningangeni nasemzini wama-Samariya;
6 Yiyani-ke kanye kwizimvu ezilahlekileyo zendlu ka-Sirayeli.
7 Ekuhambêni kwenu-ke vakalisani, nisitî, Ubukumkani bamazulu busondele.
8 Pîlisani imilwelwe, hlambûlulani abaneqênqa, vusani abafileyo, kûpâni i-demon; namkele ngesisa, yipâni ngesisa.
9 Ningaziqwebeli golide na-silvere nalubêdu emibînqweni yenu;
10 Nanxôwa yandlela, nangubo zangapântsi ngambîni, nambâdada, namsimelelo; kuba umsebenzi ufanelwe kukudla kwakê.
11 Emzini-ke enitê nangena kuwo, nokuba kusemzaneni, ize nibuzise ukuba ngubanina kuwo ofanelekileyo; nihlale-ke kôna apô nide nimke.
12 Ekungeneni kwenu-ke endlwini ize niyibulise.
13 Ukuba-ke ifanelekile indlu-leyo, malube pêzu kwayo uxolo lwenu; ukuba ingafanelekile, uxolo lwenu malubuyele kwa kuni.
14 Notê akawamkela akaweva amazwi enu, nakupûma kulondlu nakulomzi, vutûlulani utûli lwenyawo zenu.
15 Inene nditî kuni, Koba nokunyame-

Digitized by Google

zeleka okomhlaba wase-Sodom ne-Gomora ngomhla womgwebo kunokwalomzi.

16 Yabonani, mna ndinitûma njengezimvu pâkatî kwencûka; ngoko yibani nobulumko njengenyoka, nibe njengamahobe ukungabi nabuqînga.

17 Balumkeleni-ke abantu; kuba baya kuninikela ezintlanganisweni zamatyala, banityakatye ezindlwini zabo zesikûngu;

18 Naye-ke niya kusiwa pâmbî kwabalauli nokumkani ngenxa yam, zekube bunqîna kubo nakuzo in-Tlanga.

19 Xa sukuba-ke beninikela, ize ningaxâleli ukuba notêtâ ngakupîna, nokuba *notêtâ* nto-nina; kuba niya kunikwa ngelolixa oko notêtâ kôna.

20 Kuba asinini abatêtâyo, ngu-Moya ka-Yihlo otêtâyo ngapâkatî kwenu.

21 Kekaloku umzalwana uya kunikela umzalwana ekufeni, aze uyise *anikele* umntwana; batî nabantwana basuke pêzu kwabazali bababulalisise;

22 Niya kutîywa ngabantu bonke ngenxa yegama lam; ke onyamezelayo kwada kwaba kwasekupêleni uya kusindiswa yena.

23 Xa sukuba-ke benitshutshisa kulomzi, sabelani kuwumbî; kuba inene ndîtî kuni, Aniyi kukê niyigqibe imizi yakwa-Sirayeli, engekafiki u-Nyana womntu.

24 Akukô mfundi mkûlu kunomfundisi wakê, akukô mkônzi umkûlu kunenkosi yakê.

25 Kumanele umfundi ukuba abe njengomfundisi wakê, nomkônzi ukuba abe njengenkosi yakê. Ukuba umnini-ndlu bambize ngo-Belezebule, akukôna *bobabiza ngaye* yinina abo bendlu yakê?

26 Musan' ukuboyika ngoko; kuba akukô nto igutyungelweyo ingayi kutîyilwa, nefihlakeleyo ingayi kwaziwa.

27 Oko ndikutêtâ kuni emnyameni kuxeleni emhlotsheni; noko nikuvayo endlebeni kumemezeni pêzu kwezindlu.

28 Ningaboyiki abo babulala umzimbâ, kodwa benge nakô ukuwubulala wona umpêfumlo; yoyikani-ke kanye lowo unakô ukutshabalalisa umpêfumlo kwa nomzimbâ esihogweni somlilo.

29 Abatêngiswa nge-peni-na[1] onqâtyana ababini? kanti akuyi kuwa namnye kubo emhlabeni ngapândle ko-Yihlo.

30 Nina-ke kwa nenwele ezi zentloko yenu zibaliwe zonke.

31 Musan' ukoyika ngoko; nibagqitile onqâtyana abaninzi nina.

32 Wonke umntu ngoko oya kundivuma pâmbî kwabantu, ndiya kumvuma nam pâmbî ko-Bawo osemazulwini.

33 Osukuba-ke eya kundikânyela pâmbî kwabantu, ndiya kumkânyela nam pâmbî ko-Bawo osemazulwini.

34 Ningabi ndize kungenisa uxolo emhlabeni, andize kungenisa luxolo, *ndize kungenisa* ifele.

35 Kuba ndize kubambânisa umntu noyise, intombî nonina, umolokazana noninazala.

36 Zaye intshaba zomntu ziya kuba ngabendlu yakê.

37 Lowo utânda uyise nokuba ngunina kunam, akandifanele mna; nalowo utânda unyana wakê nokuba yintombî yakê kunam, akandifanele mna.

38 Nongawutâbatîyo umnqamlezo wakê, alandele emva kwam, akandifanele mna.

39 Lowo uwufumeneyo umpêfumlo wakê, wolahlekwa nguwo; nalowo uwulahlileyo umpêfumlo wakê ngenxa yam, uya kuwufumana.

40 Lowo wamkela nina, wamkela mna; lowo wamkela mna, wamkela owanditûmayo.

41 Lowo wamkela um-profeti ngegama lom-profeti uya kwamkela umvuzo womprofeti, nalowo wamkela ilungisa ngegama lelungisa uya kwamkela umvuzo welungisa.

42 Notê waseza noko amnye waba bangabona bancinane indebe yodwa yamanzi abandayo ngegama lomfundi, inene ndîtî kuni, akayi kukê alahlekelwe ngumvuzo wakê.

11 Kwatî, xeshikweni u-Yesu ebegqibile ukubamisela abafundi bakê abalishumi elinababini, wesuka apô waya kufundisa nokushumayela emizini yabo.

2 Kekaloku u-Yohane, eyive esentolongweni imisebenzi ka-Kristu, wesusa bababini kubafundi bakê,

3 Watî kuye, Wena ungulowo uzayo-na, silinde wumbî kusinina?

[1] I-peni ezine ziyi-tiki enye.

Digitized by Google

4 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Hambâni niye kumbikela u-Yohane izinto enizivayo nenizibonayo:
5 Imfama zibuya zibone, neziqwala ziyahambâ, abaneqênqa bayahlanjululwa, nezitûlu ziyeva; abafileyo bayavuswa, namahlwempu ayazishunyayezwa indaba ezilungileyo.
6 Unoyolo otê akakûbeka kum.
7 Bakubon'ukuba bayemka abo, waqala u-Yesu watî kwindimbâne ngaye u-Yohane, Naye nipûma nisiya kubona nto-nina entlango? Yabe iyingcongolo-na izanyazanyiswa ngumoya?
8 Naye nipuma nisiya kubona nto-nina kodwa? Yabe ingumntu ovetê ingubo ezitofotofo-na? Yabonani, abo bambâtâ ezitofotofo baba sezindlwini zokumkani bona.
9 Naye nipuma nisiya kubona nto-nina kodwa? Yabe ingum-profeti-na? Ewe, nditî kuni, node wagqitisa kum-profeti.
10 Kuba lo ngulowo kubâliweyo ngaye, *kwatîwa:*

Yabona, mna ndiyasitûma isitûnywa sam ngapâmbî kobuso bakô,
Esiya kuyilungisa indlela yakô pâmbî kwakô. u-Mal. 3, 1.

11 Inene nditî kuni, Pâkatî kwabo bazelweyo ngabafazi akuvelanga mkûlu kuno-Yohane um-bâptizi; kanti-ke nomncinane kwabanye ebukumkanini bamazulu mkûlu kunaye.
12 Kususela-ke kwemihla ka-Yohane umbâptizi kude kube kaloku nje, ubukumkani bamazulu buyagonyamelwa, batî abagonyameli babutîmbê.
13 Kuba bonke aba-profeti nomtêtô baprofeta kwada kwakô u-Yohane.
14 Kananjalo ukuba niyavuma ukukwamkela *oko*, yena ngu-Eliya, lo *bekutîwa* uza kufika.
15 Lowo unendlebe zokuva makeve.
16 Kekaloku ndiya kusifanisa nanto-nina esisizukulwana? Sifana namakwenkwana ehleli ezindaweni zembutô, ekwaza abalingane bawo,
17 Esitî, Sanigwalela, naza nina anaduda; sanihlabela isililo, naza nina anambâmbâzela.
18 Kuba u-Yohane weza engadli engaseli, basuka batî, Une-demon.
19 U-Nyana womntu yena weza esidla esela, basuka batî, Kânibone umntu olidla-kudla, olisela-wavini, umhlobo wababutî be-fafu naboni. Ubulumko bugwetyelwe kokuvela ebantwaneni babo.

20 Waza waqala ukuyidubula lomizi yayenzeke kuyo inkoliso yemisebenzi yakê yamandla, ngokuba ingaguqukanga, *esiti*,
21 Yehâ wena Korazin! yehâ wena Betesayida! ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuni ukuba yayenzeke e-Tire nase-Tsidon, ngeyaguquka kudala lomizi ngengubo eziwexayo nangotûtû.
22 Ke, nditî kuni, Kuya kuba nokunyamezeleka kwi-Tire nakwi-Tsidon ngomhla womgwebo kunani.
23 Nawe Kapernahum, upâkanyiselweyo ezulwini, uya kupôselwa pântsi ehadesi;[1] ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuwe ukuba yayenzeke e-Sodom, inge ihleli kwada kwaba namhla.
24 Ke, nditî kuni, Kuya kuba nokunyamezeleka okomhlaba wase-Sodom ngomhla womgwebo kunawe.

25 Ngeloxesha wapêndula u-Yesu watî, Ndiyabulela kuwe, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba, ngokuba ezizinto wazifihlayo kwizilumko nakwingqondi, wazityilela intsana;
26 Ewe, Bawo, ngokuba kwakôleka pâmbî kwakô ukuba kube njalo.
27 Zonke izinto zinikelwe kum ngu-Bawo; kanjalo akukô umaziyo u-Nyana, kupêla ngu-Yise; akukô umaziyo u-Yise, kupêla ngu-Nyana, nalowo atî u-Nyana atânde ukumtyilela.
28 Yizani kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumtwalo, ndoninika ukupûmla.
29 Tâbatâni i-dyokwe yam niyitwale, nifunde kum; ngokuba ndinobulali nditôbekile ngentliziyo, noyifumanela ukupûmla imipêfumlo yenu.
30 Kuba i-dyokwe yam imnandi, nomtwalo wam ulula.

12 Ngeloxesha u-Yesu wacanda emasimini nge-sabatâ; baye-ke abafundi bakê belambîle, baqala ukukâ izikwebu badla.
2 Kekaloku aba-Farisi, bakukubona *oko*, batî kuye, Yabona, abafundi bakô benza oko kungavumelekileyo ukwenziwa nge-sabatâ.
3 Watî-ke kubo, Aniyilesanga-na into

[1] Kwintlalo yabafileyo.

Digitized by Google

awayenzayo u-Davide, xa walambåyo yena nabo babe naye;
4 Okokuba wangena endlwini ka-Tîxo, wazidla izonka ezibekwa påmbî *ko-Tîxo*, ekube kungavumelekile ukuba azidle yena, kwa nabo babe naye, *kuvumelekele* ababingeleli[1] bodwa?
5 Anilesanga-na emtêtẘeni, ukuba ngesabatå ababingeleli[1] e-tempileni bayayincôlisa i-sabata, bangazeki tyala noko?
6 Nditî-ke kuni, Omkůlu kunayo i-tempile ukô apå.
7 Ukuba-ke nibe nikwazile ukuba kutînina *ukutî:* Nditånda inceba, andi*tåndi* mbingelelo, ngeningabagwebanga abange natyala.
8 Kuba u-Nyana womntu-lo uyinkosi yayo ne-sabatå.

9 Esukile-ke apô waya kungena endlwini yabo yesikůngu.
10 Kwabonakala kukô umntu owome isandla; baza bambuza, besitî, Kuvumelekile-na ukupîlisa nge-sabatå? ukuze bammangalele.
11 Watî-ke kubo, Kuni apå nguwupîna umntu ongetî, enemvu inye, yaza yona yeyela emhadini nge-sabatå, angayibambî ayiŕole?
12 Ubeke pîna-ke umntu ukuyigqita imvu? Ngoko-ke kuvumelekile ukwenza okulungileyo nge-sabatå.
13 Aze atî kumntu lowo, Solule isandla sakô. Wasolula, sabuya sapîla-ke sakwanjengesinye.
14 Batî-ke aba-Farisi babůnga ngaye bakupůma, ukuze bamtshabalalise.
15 Utê-ke u-Yesu, ekwazi *oko*, wemka apô; walandelwa ngabantu abaninzi; wabapîlisa bonke,
16 Wabakålimela ukuba bangamtŷili;
17 Ukuze kuzaliseke okwatêtẘayo ngo-Yesaya um-profeti, esitî:
18 Yabonani, isicaka sam endisinyulileyo;
Intånda yam, okôlisiweyo yiyo umpêfumlo wam;
Ndiya kuwubeka u-Moya wam pêzu kwaso,
Saye siya kuzibikela in-Tlanga umgwebo.
19 Asiyi kupîka, asiyi kunq̇angaza,
Akukô mntu uya kuliva izwi laso ezi-trateni.
20 Ingcongolo etyumkileyo asikuyapůla,
Nomsonto oqůmayo asikuwucima,
Side siwupůmelelisele ekoyiseni umgwebo;
21 Kanjalo ziya kutêmbêla egameni laso in-Tlanga. u-Yes. 42, 1.

22 Kwaza kwaziswa kuye opêtwe yidemon, eyimfama esisidenge; wampîlisa, wada lowo uyimfama usidenge watêtå wabona nokubona.
23 Zatî-nqa-ke zonke indimbåne, zatî, Ngunyana ka-Davide kanti-na lo?
24 Kodwa bona aba-Farisi, bakuva, batî, Lo yena akazikůpî i-demon, kupêla kungo-Belezebule umpåtî we-demon.
25 Utê-ke u-Yesu, ezazi ingcingane zabo, watî kubo, Ubukumkani bonke obahlulelene bodwa buyapånza, nomzi wonke nendlu yonke eyahlulelene yodwa ayisayi kuma.
26 Ukuba-ke u-Satana ukůpå u-Satana, wahlulelene yedwa; botî-nina ngoko ukuma ubukumkani bakê?
27 Ukuba mna ndizikůpå i-demon ngo-Belezebule, bazikůpå ngabanina onyana benu? ngenxa yoko baya kuba ngabagwebi benu bona.
28 Kodwa ukuba ndizikůpå i-demon ngo-Moya ka-Tîxo mna, ngoko bunifikelo kanti ubukumkani buka-Tîxo.
29 Angatî-nina umntu ukuba nakô ukungena endlwini yegoŕa-elo ayipånge impahla yalo, ukuba akatånga tanci alibopê igoŕa, andule-ke ukuyipånga indlu yalo?
30 Lowo unge ngakum ucåsene nam, nalowo ungandibutîsiyo uyacîtacîta.
31 Ngenxa yoko nditî kuni, Konke ukôna nokunyelisa bokuxolelwa abantu; kodwa kôna ukuwunyelisa u-Moya *Oyingcwele* abasayi kukuxolelwa abantu.
32 Notê watêtå ilizwi elicåsene no-Nyana womntu uya kuxolelwa; kodwa otê watêtå elicåsene no-Moya Oyingcwele, akasayi kuxolelwa yena, nakwelipåkade nakwelo lizayo.
33 Wenzeni mhle umtî, nesiqåmo sawo sibe sihle; nitî mhlaumbî niwenze mbi umtî, nesiqåmo sawo sibe sibi; kuba umtî waziwa ngesiqåmo *sawo*.
34 Nzalandini yamaŕambå, ningatî-nina ukuba nakô ukutêtå izinto ezilungileyo nikôhlakele-nje? kuba umlomo utêtå ngokupůpůma kwentliziyo.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

35 Umntu olungileyo, ebuncwaneni obulungileyo bentliziyo *yakê*, ukûpâ into ezilungileyo; nomntu okôhlakeleyo, ebuncwaneni obukôhlakeleyo, ukûpâ into ezikôhlakeleyo.

36 Nditî-ke kuni, Onke amazwi angewa-ni abatê bawatêtâ abantu, baya kupêndula ngawo ngomhla womgwebo;

37 Kuba ngawo amazwi akô uya kugwetyelwa, nangawo amazwi akô uya kugwetywa.

38 Kwaza kwapêndula abatîle bakubabâli naba-Farisi, besitî, Mfundisi, singa singabona umqondiso uvela kuwe.

39 Wapêndula-ke watî kubo, Isizukulwana esingendawo esifexezayo sinxâmele umqondiso; ke asiyi kunikwa mqondiso, unge nguwo umqondiso ka-Yona um-profeti.

40 Kuba njengokuba u-Yona ebe mini ntatû nabusuku butâtû esiswini sentlanz' enkulu, kwa ngokunjalo u-Nyana womntu woba mini ntatû nabusuku butâtû embilinini womhlaba.

41 Amadoda ase-Nineve aya kusuka eme ngomgwebo nesisizukulwana, asigwebe; ngokuba aguquka wona ngomemezo luka-Yona; ke omkûlu kuno-Yona nanku apâ.

42 Ukumkanikazi wase-Zantsi uya kusuk'eme ngomgwebo nesisizukulwana, asigwebe; ngokuba wavela ezipêlweni zomhlaba esiza kuva ubulumko buka-Solomon; kanti-ke omkûlu kuno-Solomon nanku apâ.

43 Xa utê-ke wapûma umoya oncôlileyo emntwini, ucanda endaweni ezinge namanzi, ufuna ukupûmla ungakufumani.

44 Uze utî, Ndiya kubuyela kwa sendlwini yam endapûma kuyo; utî-ke wakufika uyifumane izé, itshayelwe, ivatîsiwe.

45 Wandule-ke ukuya utâbatê uze nabanye omoya abasixênxe abakôhlakeleyo kunawo, bangene beme kôna; lize ikamva lalomntu libe libi kunesiqaleko *sakê*; kuya kuba njalo nakwesisizukulwana singendawo.

46 Akubon'ukuba usatêtâ nendimbâneleyo, kwatî tâpu unina nabazalwana bakê bema ngapândle, befuna ukutêtâ naye.

47 Watî-ke otîle kuye, Nanku unyoko nabazalwana bakô bemi ngapândle, befuna ukutêtâ nawe.

48 Upêndule-ke watî kulowo ubemxelele, Ngubanina umá? kanjalo ngobanina abazalwana bam?

49 Esolule isandla sakê pêzu kwabafundi bakê, utê, Nanku umá nabazalwana bam;

50 Kuba osukuba ekwenza ukutânda kuka-Bawo osemazulwini, yena lowo ngumzalwana wam, nodade wetû, nomá.

13 Kekaloku kwa ngalomini wapûma u-Yesu endlwini, waya wahlala ngaselwandle.

2 Kwahlanganisana kuye abantu abaninzi, wada yena wangena emkômbêni, wahlala pântsi; yatî yonke indimbâne yema elunxwemeni.

3 Watêtâ kubo indawo ezininzi ngemizekeliso, esitî, Yabonani, umhlwayeli wapûma waya kuhlwayela.

4 Ekuhlwayeleni kwakê inxalenye *yenkozo* yawa ngasendleleni, zeza intaka zayidla zayigqiba.

5 Ezinye-ke zawa endaweni ezilulwalwa, apô bezinge namhlaba mninzi; zapûma-ke kwa oko, ngenxa yokuba bezinge nabunzulu bamhlaba;

6 Zatî-ke lakupûma ilanga zatsha, zaza ngenxa yokuba zinge nangcambû zoma kwapêla.

7 Ezinye-ke zawa emitâneni enameva, yaza imitâna enameva yakûla yazimnxa.

8 Ezinye-ke zawa kuwo wona umhlaba omhle, zanika iziqâmo, olunye *lwanika* ikûlu, olunye amashumi amatândatû, nolunye amashumi amatâtû.

9 Lowo unendlebe zokuva makeve.

10 Beza abafundi batî kuye, Kunganina ukuba utêtê kubo ngemizekeliso?

11 Wapêndula-ke watî kubo, Kungokuba nikupîwe nina ukuzazi imfihlelo zobukumkani bamazulu, babe-ke bona bengakupîwanga.

12 Kuba osukuba enakô, yena uya kupîwa, az'abe nakô ngokugqitisileyo; kodwa osukuba enge nakô, uya kuhlutwa kwa noko anakô.

13 Ngenxa yoko nditêtâ nabo ngemizekeliso; ngokuba bebona-nje bengaboni, besiva-nje bengeva, bengaqondi nokuqonda.

14 Sizalisekele kubo-ke isi-profeto sika-Yesaya esitî:

Digitized by Google

Ukuva niya kuva, ningakê niqonde;
Nitî nibona-nje nibone, ningakê niqiqe;
15 Kuba intliziyo yabantu itê-fitî kutyeba,
Beva ngendlebe ezitê-nqi,
Bayawacima namehlo abo;
Hleze babone ngamehlo,
Beve ngendlebe,
Baqonde ngentliziyo,
Bajike.
Ndibapîlise. u-Yes. 6, 9. 10.
16 Kodwa nina anetâmsanqa amehlo enu, ngokuba ebona; nendlebe zenu, ngokuba zisiva.
17 Kuba nditî kuni, Inene baninzi ababaprofeti *nabantu* abangamalungisa abanqwenelayo ukuzibona izinto enizibonayo, abazibona; nokuziva izinto enizivayo, abaziva.
18 Nina ngoko wuveni umzekeliso womhlwayeli:
19 Akubon' ukuba ubani uyaliva ilizwi lobukumkani, engaliqondi, uyafika ongendawo akuhlute okuhlwayelwe entliziyweni yakê; lo nguye lowo wahlwayelwa ngasendleleni.
20 Lowo-ke uhlwayelwa ezindaweni ezilulwalwa, nguló ulivayo ilizwi alamkele kwa oko ngovuyo;
21 Abe-ke, enge nangcambû ngapâkatî kwakê, eme umzuzwana kodwa; utî-ke kwakuhla imbândezelo nokuba yintshutshiso ngenxa yelizwi, akûtyekiswe kwa oko.
22 Lowo-ke uhlwayelwe emitâneni enameva, nguló ulivayo ilizwi, litî-ke ixâla lelipâkade, nokulukuhla kobutyebi, kuliminxe nelizwi, lisuke lingabi nasiqâmo.
23 Lowo-ke uhlwayelwe kuwo umhlaba omhle, nguló ulivayo ilizwi aliqonde; otî yena okunene axakatê iziqâmo; omnyeke enze ikûlu, omnye amashumi amatândatû, nomnye amashumi amatâtû.
24 Wababekela omnye umzekeliso, esitî, Ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu owahlwayela imbewu entle entsimini yakê.
25 Kutê-ke, xa baleleyo abantu, lwafika utshaba lwakê, lwahlwayela umdiza pakatî kwenqôlowa, lwemka.
26 Itê-ke yakudubula, yakuba nenkozo, wand' ukubonakala nomdiza.
27 Bezile-ke abakônzi bomnini-ndlu batî kuye, Nkosi, ubungahlwayelanga imbêwu entle yinina entsimini yakô? pôfu iwuzuze pîna umdiza?
28 Watî-ke kubo, Ngumntu olutshaba owenze lento. Batî-ke abakônzi kuye, Uyatânda-na-ke ukuba siye siwubutê?
29 Utê-ke, Hayi; hleze nitî, xa niwubutâyo umdiza, nincotûle nenqôlowa kunye nawo.
30 Yekani kukûle ndawo-nye kokubini kude kube sekuvuneni; ngexa-ke lokuvuna ndotî kubavuni, Butâni kuqala umdiza, niwubopê ube zitûngu utshiswe, kodwa yona inqôlowa yihlanganiseleni kuvimbâ wam.

31 Wababekela omnye umzekeliso, esitî, Ubukumkani bamazulu bufana nokôzo lwe-mostade, awalutâbatâyo umntu, waluhlwayela entsimini yakê;
32 Lona loluncinane okunene kuzo zonke imbêwu; kodwa xa lutê lwahluma luyayidlula imifuno ngobukûlu lube ngumtî, ngokokude intaka zezulu zize zihlale emasebeni awo.

33 Watêtâ omnye umzekeliso kubo, *esitî*, Ubukumkani bamazulu bufana negwele, awalitâbatâyo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozitâtû zomgubo, wada wabiliswa upêla.

34 Ezindawo zonke u-Yesu wazitêtâ ngemizekeliso kuzo indimbâne; akatêtânga kunge ngamzekeliso kuzo;
35 Ukuze kuzaliseke okwatêtwayo ngomprofeti, esitî:
Ndiya kuwuvula ngemizekeliso umlomo wam,
Ndiya kukûpâ izinto ezazifihliwe kwa sekusekweni kwehlabatî.
in-Dum. 78, 2.
36 Waza u-Yesu akuyindululula indimbâne, wangena endlwini. Beza kuye abafundi bakê, besitî, Sixelele umzekeliso womdiza wentsimini.
37 Wapêndula-ke watî kubo, Lo uhlwayela imbêwu entle ngu-Nyana womntu;
38 Intsimi-ke lihlabatî; imbêwu-ke entle ngonyana bobukumkani-abo; umdiza-ke ngonyana bongendawo;
39 Utshaba-ke olwawuhlwayelayo wona ngumtŷoli; ukuvuna-ke kukupêliswa kwepâkade-eli; abavuni-ke zizitûnywa zezulu.

1 Isilinganiso-eso sisi-kwarte esilitshumi.

Digitized by Google

40 Njengokuba ngoko ubutŵa umdiza, utshiswe ngomlilo, kuya kuba njalo ekupêlisweni kwelipâkade.
41 U-Nyana womntu uya kutûma izitûnywa zakê, zize zibutê zikûpê ebukumkanini bakê zonke izikûbekiso, nabo benza' okucâsene nomtêtô;
42 Zibapôse eziko lomlilo; kôna apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo.
43 Aya kwandula-ke amalungisa ukubengezela njengelanga ebukumkanini boyise wawo. Lowo unendlebe zokuva makeve.

44 Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nobutyebi obufihlwe entsimini, atê umntu akubufumana wabufihla; aze ngenxa yovuyo lwakê aye atêngise ngento zonke anazo, ayitênge lontsimi.

45 Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nomfwebi efuna i-perile ezintle;
46 Owatî-ke akuyifumana i-perile inye exabiso likûlu, wemka waya wananisa ngento zonke abe nazo, wayitênga.

47 Kanjalo ubukumkani bamazulu bufana nomnatâ, owapôswa elwandle, wahlanganisa kwintlobo zonke;
48 Abatê wakuzala bawufolela elunxwemeni, ke bakuhlala pântsi bazibutêla ezintle ezityeni, bazilahla-ke ezimbî.
49 Kuya kuba njalo ekupêlisweni kwepâkade-eli, ziya kupûma izitûnywa zezulu zibakêtê abangendawo pâkatî kwamalungisa,
50 Zibapôse eziko lomlilo; kôna apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

51 Atî kubo u-Yesu, Niziqondile-na zonke ezindawo? Batî kuye, Ewe, Nkosi.
52 Watî-ke kubo, Ngenxa yoko umbâli wonke ofundiselwe ebukumkanini bamazulu ufana nomntu ongumnini-ndlu, ofola ebuncwaneni bakê into ezintsha kwa nezindala.

53 Kwatî, akuyigqiba u-Yesu lemizekeliso, wanduluka kôna apô.
54 Akufika kwelakowabo, wabafundisa endlwini yabo yesikûngu, ngokokude bakwanqiswe batî, Lo ubuzuze pîna obubulumko nalemisebenzi yamandla?
55 Lo asinguye-na unyana wencîbi yokwakâ? unina akutîwa-na ngu-Mariya? nabazalwana bakê asingo-Yakobi no-Yose no-Simon no-Yuda yinina?
56 Nodade bakê abakutî apâ bonke-na? uzizuze pîna pôfu lo zonke ezizinto?
57 Baye bekûbeka kuye. Watî-ke u-Yesu kubo, Um-profeti akaswele mbeko, kunge kôna kowabo nakokwabo.
58 Akenza misebenzi mininzi yamandla kôna apô, ngenxa yokungakôlwa kwabo.

14 Ngeloxesha u-Herode umpâtî *ue-sahlulo* sesine *selizwe* waluva udaba luka-Yesu,
2 Watî kubakônzî bakê, Lo ngu-Yohane um-bâptizi, yena uvukile kwabafileyo, ngenxa yoko lemisebenzi yamandla iyasebenza kuye.
3 Kuba u-Herode wambambâ u-Yohane, wambopâ, wamfaka entolongweni ngenxa ka-Herodiya umfazi ka-Filipu, umninawe wakê.
4 Kuba wayetê u-Yohane kuye, Akuvumelekile ukuba ube naye.
5 Watî efuna ukumbulala, woyika abantu; ngokuba bebebambê ukutî ungumprofeti.
6 Kekaloku kwakubon'ukuba kwenziwa isikûmbûzo sokuzalwa kuka-Herode, yatî intombî ka-Herodiya yangqungqa esazulwini, yamkôlisa u-Herode.
7 Ekutê-ke koko wayibâmbâtîsa ngesifungo ukuba woyinika oko ingakucelayo.
8 Ke yona, iqûtyiwe ngunina, yatî, Ndinike apâ ngesitya intloko ka-Yohane um-bâptizi.
9 Wesuka ukumkani waba buhlungu; ke, ngenxa yezifungo ezo nangenxa yabo babehleli ngasesitêbeni naye, watsho ukutî mayiyinikwe.
10 Wasusa *umntu*, wamnqumla u-Yohane intloko entolongweni apô.
11 Yaziswa intloko yakê ngesitya, yanikwa inkakazana-leyo, yatî yona yayisa kunina.
12 Bafika abafundi bakê, basitâbatâ isidûmbû, basincwaba; baya babikela u-Yesu.

13 Evile-ke u-Yesu wemka apô ngomkômbê, waya endaweni eyintlango eyedwa; ivile-ke indimbâne, yamlandela ngenyawo ivela emizini.
14 Epûmile-ke u-Yesu wabona indi-

Digitized by Google

mbâne enkulu, wasikwa yimfesane ngabo, wayipîlisa imilwelwe yabo.

15 Kutê-ke kwakuhlwa, beza kuye abafundi bakê, besitî, Lendawo iyintlango, kanjalo ilixa liselidlule; zindulule indimbâne, zimke ziye emizaneni zizitêngele ukudla.

16 Utê-ke kubo u-Yesu, Akufuneki ukuba zimke, zipêni nina zitye.

17 Batî-ke bona kuye, Asinanto apâ, inge zizo izonka ezihlanu nentlanzi ezimbîni.

18 Watî-ke yena, Ziziseni kum apâ.

19 Watî indimbâne mazinqênqê pântsi encêni; wazitâbatâ izonka zozihlanu nentlanzi zombîni, watî, ekângele ezulwini, wasikelela; waqêkeza, wazinika abafundi izonka-ezo; ke abafundi *banika* indimbâne.

20 Badla bonke bahluta; basusa amaqêkeza aseleyo zalishumi elinazibini izitya zizele.

21 Kekaloku abo babesidla babe ngamadoda akumawaka amahlanu ngapândle kwabafazi nabantwana.

22 Waza u-Yesu wabanyanzela kwa oko abafundi bakê ukuba bangene emkômbêni, bamandulele baye pêsheya, logama ayindululayo indimbâne yena.

23 Eyindulule-ke indimbâne, wenyuka intaba ngasese ukuba atândaze. Kwahlwa-ke ekôna apô yedwa.

24 Kekaloku umkômbê ubusel' upâkatî kolwandle untsilwa ngamaza; kuba umoya ubuvela ngapâmbîli.

25 Kutê-ke ngowesine umlindo wobusuku wesuka waya kubo u-Yesu, ehambâ pêzu kolwandle.

26 Batê bakumbona abafundi ehambâ pezu kolwandle, bakâtâzeka, besitî, Ngumshologu; bakâliswa kukoyika.

27 Watêtâ-ke kwa oko u-Yesu kubo, esitî, Yomelelani; ndim, musan' ukoyika.

28 U-Petros wampêndula-ke watî, Nkosi, ukuba nguwe, yitsho ndize kuwe *ndihambâ* pêzu kwamanzi.

29 Watî-ke yena, Yiza. Ehlile u-Petros emkômbêni, wahambâ pêzu kwamanzi esiya ku-Yesu.

30 Kekaloku ebona umoya unamandla, woyika; waza eqala ukutshona wakâla, esitî, Nkosi, ndisîndise.

31 Wasolula kwa oko-ke isandla u-Yesu, wambambâ, watî kuye, Ehla wena ulukôlo luncinane, utândabuzela-nina?

32 Bakungena emkômbêni, wadambâ umoya.

33 Bazile-ke abo basemkômbêni baqubuda kuye, besitî, Inyaniso ungu-Nyana ka-Tîxo.

34 Bakuwela bafika emhlabeni wase-Genesarete.

35 Emazile amadoda alondawo, atûmela kuwo wonke lommandla; bazisa kuye bonke abafayo,

36 Bambongoza ukuba bacûkumise-nje kodwa intshinga yengubo yakê; baza bonke abayicûkumisayo bapîliswa kanye.

15 Bafikê oko ku-Yesu abase-Yerusalem ababâli naba-Farisi, besitî,

2 Kunganina ukuba abafundi bakô basigqite isitêtê samanyange? kuba abazihlambî izandla zabo, xa badla isonka.

3 Wapêndula-ke yena watî kubo, Nani kunganina ukuba niwugqite umtêtô ka-Tîxo ngenxa yesitêtê senu?

4 Kuba u-Tîxo wawisa umtêtô, esitî: Mbeke uyihlo nonyoko; watî kanjalo: Omtêtêla okubi uyise nokuba ngunina, makafe ukufa.

5 Ke nina nitî, Otê kuyise nokuba kukunina, Iselingumnikelo *ku-Tîxo* into onge uba uncedwa ngayo ndim, *ukôlisile;* akasokuba sambeka uyise nokuba ngunina;

6 Niwupângile-ke igunya umtêtô ka-Tîxo ngenxa yesitêtê senu.

7 Bahanahanisindini, watyapa ukuprofeta ngani u-Yesaya, esitî:

8 Ababantu basondela kum ngomlomo wabo,
Bandibeke ngemilebe yomlomo wabo;
Kanti intliziyo yabo ikude lé kum;
9 Bafumana-ke bendihlonela,
Befundisa imfundiso eziyimitêtô yabantu. u-Yes. 29, 13.

10 Wayibizela kuye indimbâne, watî kubo, Pûlapûlani, niqonde.

11 Asikokungena emlonyeni okumenza inqambî umntu; ke okupûma emlonyeni kuko oko okumenza inqambî umntu.

12 Beza abafundi bakê batî kuye, Uyazi-na ukuba aba-Farisi batê bakuliva elozwi bakûbeka?

13 Wapêndula-ke watî, Zonke izityalo

Digitized by Google

ezingatyalwanga ngu-Bawo wasezulwini ziya kuncotûlwa.

14 Bayekeni; ngabakôkeli bemfama abakwazimfama; kekaloku xa sukuba imfama ikôkela imfama, zombîni ziya kweyela emhadini.

15 Wapêndula-ke u-Petros watî kuye, Sixelele lomzekeliso.

16 Watî-ke yena u-Yesu, Anikabi nakuqonda-na nani nangoku?

17 Anikaqiqi-na, ukuba konke okungena emlonyeni kusinga esiswini, ize kulahlelwe endaweni esese?

18 Ke zona izinto ezipûma emlonyeni zipûma kuyo intliziyo, zizo ezo ezimenza inqambî umntu.

19 Kuba kuyo intliziyo kupûma izicamango ezingendawo, okubulala, okufexeza, omibulo, obusela, okunqîna ubuxoki, okunyelisa.

20 Zizo ezo izinto ezimenza inqambî umntu; kodwa kôna ukudla ngezandla ezingahlanjwanga akumenzi nqambî umntu.

21 Epûmile kôna apô u-Yesu wasinga kwimida yase-Tire ne-Tsidon.

22 Kwatî-tû um-Kananekazi evela kulomida, ekâla, esitî, Ndenzele inceba, Nkosi, nyana ka-Davide, intombî yam ipêtwe yi-demon kakubi.

23 Akampêndula-ke nelizwi-eli. Beza abafundi bakê bamcela, besiti, Mndulule, ngokuba usilandela ekâla.

24 Wapêndula-ke yena watî, Nditûnywe kwizimvu ezilahlekileyo zendlu ka-Sirayeli zodwa.

25 Weza-ke waqubuda kuye, esitî, Nkosi, ndisize.

26 Upêndule-ke watî, Asinto intle ukusitâbatâ isonka sabantwana, sipôswe ezinjaneni.

27 Watî-ke yena, Ewe, Nkosi; kuba nenjana zidla kwimvutûluka eziwa e-tafileni yabaninizo.

28 Waza-ke wapêndula u-Yesu watî kuye, Mfazi, lukûlu ukôlo lwakô; makwenzeke kuwe njengokutânda kwakô. Yapîliswa intombî yakê kwa ngelolixa.

29 Esukile apô u-Yesu weza ngaselwandle lwase-Galili, wenyuka intaba, wahlala pântsi kôna.

30 Kweza kuye indimbâne ezininzi zinazo iziqwala, imfama, izidenge, izilima, nabanye abaninzi, zababeka pântsi ezinyaweni zika-Yesu; wabapîlisa;

31 Zada zamangaliswa indimbâne-ezo, zakubona izidenge zitêtâ, izilima zipîlile, iziqwala zihambâ, nemfama zibona; zamzukisa u-Tixo ka-Sirayeli.

32 Ebabizele-ke kuye u-Yesu abafundi bakê, watî, Ndisikwa yimfesane ngenxa yendimbâne, ngokuba sekuntsuku ntatû behleli nam, benge nanto bangayidlayo; ukutî-ke ndibandulule bengadlanga andikutândi, hleze batŷafe endleleni.

33 Batî kuye abafundi bakê, Sozizuza pîna entlango *apô* izonka ezingade zihlutise indimbâne engakanana?

34 Atî kubo u-Yesu, Zingapîna izonka eninazo? Batî-ke bona, Zisixênxe, nentlanzana ezimbâlwa.

35 Watî kwindimbâne mazihlale pântsi emhlabeni.

36 Wazitâbatâ-ke izonka zosixênxe nentlanzi, wabulela, waqêkeza, wanika abafundi bakê, abafundi-ke *banika* indimbâne.

37 Badla bonke bahluta; basusa amaqêkeza aseleyo ingobozi zasixênxe zizele.

38 Kekaloku abo babesidla babe ngamawaka amane amadoda, ngapândle kwabafazi nabantwana.

39 Eyindulule indimbâne, wangena emkômbêni, weza emacaleni ase-Magadala.

16 Baza bafika aba-Farisi naba-Sadusi, batî, bemlinga, bacela ukuba ababonise umqondiso opûma ezulwini.

2 Wapêndula-ke watî kubo, Ngokuhlwa nitî, Liya kusa; kuba izulu limlilo ukuba bomvu.

3 Kanjalo kusasa nitî, Namhla luqwitela; kuba izulu limlilo ukuba bomvu lisbekele. Bahanahanisindini, nikwazi-nje ukucalula izulu; ke yona imiqondiso yamaxesha aninakô-na ukuyicalula?

4 Isizukulwana esingendawo esifexezayo sinxâmele umqondiso; kanti asiyi kunikwa mqondiso, inge nguwo umqondiso ka-Yona um-profeti. Wabashiya wemka.

5 Bakufika-ke abafundi bakê ngaselwasheya, batî kanti bakulibele ukupâtâ izonka.

6 Watî-ke u-Yesu kubo, Ligqaleni nililumkele igwele laba-Farisi naba-Sadusi.

Digitized by Google

7 Baye-ke bona becamanga pâkati kwabo, besitî, *Utsho* ngokuba singapâtânga zonka.

8 Ekwazi-ke *oko* u-Yesu, watî kubo, Ehlani, Nina balûkolo luncinane, yinina ukuba nicamange pâkatî kwenu, ngokuba ningapâtânga zonka?

9 Anikaqiqi-na, anizikûmbûli-na izonka ezihlanu zamawaka amahlanu, nokuba zazingapîna izitya enazitâbatâyo?

10 Kwa nezonka ezisixênxe zamawaka amane, nokuba zazingapîna ingobozi enazitâbatâyo?

11 Yinina lento ningaqiqiyo, ukuba bendingatsho ngasonka ukutî kuni, manililumkele igwele laba-Farisi naba-Sadusi?

12 Bandula ukuqonda, ukuba ubengatsho ukutî mabalumkele igwele lesonka, ubesitî mabalumkele imfundiso yaba-Farisi naba-Sadusi.

13 Akufika u-Yesu emacaleni ase-Kesareya yakwa-Filipu, wababuza abafundi bakê, esitî, Batî abantu ndingubanina mna Nyana womntu?

14 Batî-ke bona, Inxenye itî, Ungu-Yohane um-bâptizi; abanye batî, Ungu-Eliya; bambî batî, Ungu-Yeremiya, mhlaumbî ungomnye wakuba-profeti.

15 Atî kubo, Ke nina nitî ndingubanina?

16 Wapêndula-ke u-Simon Petros watî, Wena unguye u-Kristu, unyana ka-Tîxo opîlileyo.

17 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Unoyolo, Simon ka-Yona, ngokuba akukutyilelwanga oku yinyama negazi, *ukutyilelwe* ngu-Bawo osemazulwini.

18 Nam-ke ndití kuwe, Ungu-Petros wena, ndiya kulakêla pêzu kolulwalwa ibandla lam, namasango ehadesi[1] akayi kuloyisa.

19 Ndiya kukunika izitshixo zobukumkani bamazulu; kutî-ke otê wakubopâ emhlabeni, kubopêke emazulwini; kutî otê wakukûlula emhlabeni, kukûluleke emazulwini.

20 Wabayala abafundi bakê, ukuba bangaxeleli bani ukuba yena ungu-Yesu u-Kristu.

21 Waqalela kweloxa u-Yesu ukubabonisa abafundi bakê, okokuba umelwe kukuba aye e-Yerusalem, eve ubunzima obukûlu kuwo amadoda amakûlu nababingelelî[1] abakûlu nababâli, abulawe, atî ngomhla wesitâtû avuke.

22 Watî u-Petros emtâbatêle kuye, waqala ukumkâlimela, esiti, Makube camagu kuwe, Nkosi; oko akuyi kukê kubekô kuwe.

23 Wajika-ke watî ku-Petros, Suk'uy' emva kwam, Satana, usikûbekiso kum; ngokuba ungazinyamekeli ezika-Tîxo izinto, unyamekela ezabantu.

24 Wandula watî u-Yesu kubafundi bakê, Ukuba kukô otânda ukundilandela, makazincame ngokwakê, awutwale umnqamlezo wakê, andilandele.

25 Kuba otê watânda ukuwusindisa umpêfumlo wakê wolahlekwa nguwo; ke otê wawulahla umpêfumlo wakê ngenxa yam wowufumana.

26 Kuba kumnceda nto-nina umntu, ukuba utê wazuza ihlabatî lipêla, waza wonakalelwa-ke ngumpêfumlo wakê? Okanye wofola nto-nina umntu ibe sisanano sompêfumlo wakê?

27 Kuba u-Nyana womntu uza kuza esebuqaqaulini bo-Yise enezitûnywa zakê, andul'ukubavuza bonke ngabanye ngokokwenza kwabo.

28 Inene nditî kuni, Kwabemiyo apâ kukô abangayi kukê beve kufa, bade bambone u-Nyana womntu esiza esebukumkanini bakê.

17 Utî u-Yesu emveni kwentsuku ezintandatû atâbatê u-Petros, no-Yakobi, no-Yohane umzalwana wakê, abanyuse baye entabeni epâkamileyo bebodwa;

2 Wenziwa wakumila kumbî pâmbî kwabo, batî ubuso bakê bakazimla njengelanga, zasuka-ke ingubo zakê zamhlope njengokukânya.

3 Nanko kubonakala kubo u-Moses no-Eliya betêtâ naye.

4 Wapêndula-ke u-Petros, watî ku-Yesu, Nkosi, kulungile ukuba sibe lapâ; ukuba uyatânda, masenze apâ iminquba ibe mitâtû, onmnye ube ngowakô, omnye ube ngoka-Moses, omnye ube ngoka-Eliya.

5 Kutê esatêtâ, kwatî-gqi ilifu elikânyayo labenzela itînzi; nalo izwi lipûma efini apô, lisitî, Lo ngunyana wam oyintânda, endikôlisiweyo nguye; mveni yena.

6 Batî abafundi, bakukuva oko bawa ngobuso babo, boyika kakûlu.

[1] Entlalo yabafileyo.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-prista.

Digitized by Google

7 Akufika u-Yesu wabacûkumisa, watí, Vukani ningoyiki.
8 Batê-ke bakupâkamisa amehlo abo, ababona mntu, yangu-Yesu yedwa.

9 Bakubon' ukuba bayehla entabeni apô, wabawisela umtêtô u-Yesu, esitî, Ize ningawuxeleli bani umbono lo, ade avuke kwabafileyo u-Nyana womntu.
10 Bambuza abafundi bakê, besitî, Yinina pôfu ukuba ababâli batî, u-Eliya umelwe kufika tanci?
11 Upêndule-ke u-Yesu watî kubo, Okunene kufika u-Eliya tanci, abuye azimise zonke izinto.
12 Ke nditî kuni, u-Eliya usel'efikile, abamazanga, basuka benza kuye konke abakutândayo; kwa ngokunjalo u-Nyana womntu uza kuva ubunzima ngabo.
13 Band' ukuqonda abafundi ukuba ubetêtâ kubo ngaye u-Yohane um-bâptizi.

14 Bakubon' ukuba bafikile endimbâneni, kweza kuye umntu esiwa ngamadolo pâmbî kwakê, esitî,
15 Nkosi, menzele inceba unyana wam; ngokuba unesatûtwane, esiva ubunzima obukûlu; kuba esiwa futî emlilweni, nasemanzini futî.
16 Nditê ndamzisa kubafundi bakô, ababi nakô ukumpîlisa.
17 Wapêndula-ke u-Yesu watî, Sizukulwanandini singakôlwayo sigwenxa, koda kube ninina ndinani? koda kube ninina ndininyamezele? mziseni kum apâ.
18 Waza u-Yesu wayikâlimela, yapûma kuye i-demon; wapîliswa umntwana kwa ngelolixa.
19 Bandula beza abafundi ku-Yesu bebodwa, batî, Bekunganina ukuba singabi nakô ukuyikûpâ tîna?
20 Watî-ke u-Yesu kubo, Bekungenxa yokungakôlwa kwenu; kuba inene nditî kuni, Beningatî ninokôlo olunjengokôzo lwe-mostade, nitî kulentaba, Suka apâ uye pâya, isuke, kungabikô nto iya kuninqabela.
21 Olu-ke lona uhlobo alupûmi, kungengako ukutândaza nokuzila ukudla.

22 Kekaloku bakubon' ukuba bahleli kwelase-Galili, watî u-Yesu kubo, U-Nyana womntu uza kunikelwa ezandleni zabantu;
23 Baya kumbulala, atî ngomhla wesitâtû avuke. Baba buhlungu kakûlu.
24 Ke, bakubon' ukuba bafikile e-Kapernahum, kweza ku-Petros abo bamkela i-didrakim,[1] batî, Umfundisi wenu akazifoli-na i-didrakim?
25 Atî, Ewe, *uyazifola*. Akungena endlwini, u-Yesu wampângela, esitî, Utînina wena, Simon? Okumkani bomhlaba bamkela kubapîna i-fafu nomnikelo? konyana babo, kwabasemzini, kusinina?
26 Atî u-Petros kuye, Kwabasemzini. Watî u-Yesu kuye, Bakûlulekile ngokoke-bona onyana.
27 Kodwa ukuze singabakûbekisi, hambâ uye elwandle, upôse umloboti wakô, utâbatê lontlanzi itê yavela tanci; woti wakuwunqika umlomo wayo ufumane ishekele; tâbatâ yona leyo ubanike, *usenzelelela* mna nawe.

18 Ngelolixa beza abafundi ku-Yesu, besitî, Ngubanina-ke omkûlu kunabanye ebukumkanini bamazulu?
2 U-Yesu wabizela kuye umntwana, wammisa pâkatî kwabo.
3 Watî, Inene nditî kuni, Ukuba anitânga niguquke, nibe njengabantwana-aba, aniyi kukê ningene ebukumkanini bamazulu.
4 Osukuba ngoko etê wazitôba njengalomntwana, nguye omkûlu kunabanye ebukumkanini bamazulu.
5 Kanjalo otê wamkela umntwana onje *noko* amnye ngegama lam, wamkela mna.
6 Ke otê wakûbekisa *noko* amnye waba bancinane bakôlwayo kum, ebelungelwe kanye kukuba anxitywe ilitye lokusila entanyeni, antywiliselwe enzulwini yolwandle.
7 Yehâ ihlabatî ngezikûbekiso! kuba azinakuba zingezi izikûbekiso; kodwa yehâ lomntu siza ngaye isikûbekiso!
8 Ukuba-ke isandla sakô nokuba lunyawo lwakô luyakukûbekisa, lunqamle, ululahle: kukulungele ukuba ungene ebomini usiqwala mhlaumbî usilima, kunokuba utî unezandla ezibini mhlaumbî unenyawo ezimbîni upôswe emlilweni ongunapâkade.
9 Nokuba iliso lakô liyakûbekisa, lincotûle, ululahle; kukulungele ukuba ungene ebomini unaliso linye, kunokuba utî una-

[1] I-didrakim iyi-shekeni emetiki.

Digitized by Google

mehlo amabini upôswe esihogweni somlilo.
10 Lumkani ningadeli namnye waba bancinane; kuba nditî kuni, Izitûnywa zabo emazulwini zihlala zibubona ubuso buka-Bawo osemazulwini.
11 Kuba u-Nyana womntu weza kusindisa oko kulahlekileyo.
12 Nitî-nina nina? Ukuba umntu utê wanekûlu lezimvu, ize kulahleke enye kuzo, akazishiyi-na ezimashumi asitôba anesitôba ezintabeni, aye afune leyo ilahlekileyo?
13 Ukuba utê wayifumana, inene nditî kuni, uyayivuyela leyo ngapêzu *kokuvuyela* ezo zimashumi asitôba anesitôba zingalahlekanga.
14 Kwa ngokunjalo asikutânda kuka-Yihlo osemazulwini, ukuba kulahleke namnye waba bancinane.
15 Ukuba-ke umzalwana wakô utê wakŏna, yiya umohlwaye inguwe naye ninedwa; ukuba utê wakuva woba umzuzile umzalwana wakô.
16 Ke ukuba utê akeva, buy' utâbatê nawe abe mnye nokuba babini, ukuze onke amazwi amiswe ngomlomo wamanqîna amabini nokuba ngamatâtû.
17 Ukuba-ke utê akabeva, xelela ibandla; ukuba-ke utê akaliva nebandla, kuwe makabe njengowen-Tlanga nombutî we-ŕafu.
18 Inene nditî kuni, Konke enitê nakubopâ emhlabeni kobotshwa ezulwini; nako konke enitê nakukûlula emhlabeni kokûlulwa ezulwini.
19 Kananjalo nditî kuni, Ukuba ababini kuni batê bavumelana emhlabeni apâ ngendawo zonke abangazicelayo bozenzelwa ngu-Bawo osemazulwini.
20 Kuba apô bahlanganisene kôna ngegama lam nokuba babini nokuba batâtû, ndikô mna apô pâkatî kwabo.

21 Kwandula kweza u-Petros kuye, watî, Nkosi, koba futî kangapîna umzalwana wam endona ndimxolela? koda kube kasixênxe-na?
22 Atî u-Yesu kuye, Anditî kuwe, koda kube kasixênxe; nditî, koda kube kamashumi asixênxe apîndiweyo kasixênxe.
23 Ngenxa yoko ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu ongukumkani, owafuna ukubalelana nabakônzi bakê.
24 Kutê-ke akuqala ukubalelana *nabo*, kwaziswa kuye omnye onetyala le-talente ezingamawaka alishumi.
25 Kutê-ke ekubeni enge nanto yokuhlaula, yatî inkosi yakê, makutêngiswe ngaye, nangomfazi wakê, nangabantwanâ bakê nangento zonke anazo, kuhlaulwe.
26 Wawa pântsi ngoko umkônzi-lowo, waqubuda kuyo, esitî, Nkosi, kâundenze kuhle, ndokuhlaula lonke.
27 Yasikwa-ke yimfesane inkosi yalomkônzi, yamkûlula, yamxolela ityala-elo.
28 Upûmile-ke lomkônzi, wafumanana nomnye wabakônza kunye naye, obe netyala kuye le-denariyo[1] ezilikûlu; wambambâ wamŕwitsha, esitî, Ndihlaule ityala onalo.
29 Wawa pântsi ngoko ezinyaweni zakê lo ubekônza kunye naye, waman' embongoza, esitî, Kâundenze kuhle, ndokuhlaula lonke.
30 Akavumanga-ke; waya wampôsa entolongweni ade alihlaule ityala-elo.
31 Batî-ke abo bebekônza kunye naye, bakubona oko kwenzekileyo, baba buhlungu kakûlu, beza bayityela inkosi yabo konke oko kwenzekileyo.
32 Yaza inkosi yakê, imbizele kuyo, yatî kuye, Mkônzindini ungendawo, ndakuxolela lonke elatyala, ekubeni wandibongozayo;
33 Ubungamelwe-na kukuba ube nenceba nawe kokônza kunye nawe, njengokuba nam bendinenceba kuwe?
34 Yaqûmbâ inkosi yakê, yamnikela kubatûtûmbîsi, ade alihlaule lonke ityala lakê kuyo.
35 Wotî no-Bawo wasezulwini enje njalo kuni, ukuba anitânga nonke ngabanye nibaxolele abazalwana benu izipôso zabo ngentliziyo zenu.

19 Kwatî, xeshikweni u-Yesu ebewagqibile lamazwi, wanduluka kwelase-Galili, weza emideni yelakwa-Yuda, pêsheya kwe-Yordan.
2 Zamlandela indimbâne ezininzi, wazipîlisa apô.

3 Kweza kuye aba-Farisi bemlinga, besitî kuye, Kuvumelekile-na ukuba umntu amale umfazi wakê nangasipîna isizatû?
4 Upêndule-ke watî kubo, Anilesangana ukuba owadalayo kwasekuqalekeni wabadala bayindoda nenkazana,

[1] I-denariyo ezimbini ziyisheleni ene-tiki.

Digitized by Google

5 Watî, Ngenxa yoko umntu womshiya uyise nonina, anamatêle emfazini wakê, baze abo babini babe nyama-nye?

6 Ngako oko abasebabini, banyama-nye; oko kengoko u-Tixo akumanyileyo makungahlulwa mntu.

7 Batî kuye, Pôfu ibiyinina ukuba u-Moses awise umtêtô wokutî: makamnike incwadi yokwahlukana, amale?

8 Atî kubo, U-Moses ngenxa yobulukuni bentliziyo zenu wanivumela ukuba nibale abafazi benu; ke ekuqalekeni bekunge njalo.

9 Nditî-ke kuni, Otê wamala umfazi wakê, kunge ngaluhenyuzo, wazeka omnye, uyaŕexeza; nalowo uzeka owaliweyo uyaŕexeza.

10 Batî kuye abafundi bakê, Ukuba unjalo umcimbî womntu nomfazi, akulungile ukuzeka.

11 Watî-ke yena kubo, Asibantu bonke abaliqondayo elolizwi, ngabo banikiweyo *bodwa*.

12 Kuba kukô amatênwa azelwe enjalo kwasesizalweni sonina; kukô namatênwa atênwe ngabantu; kukô namatênwa azitênileyo ngenxa yobukumkani bamazulu. Lowo unokukuqonda oku makakuqonde.

13 Kwaza kwaziswa kuye abantwana, ukuze abeke izandla pêzu kwabo, atândaze; basuka abafundi babakâlimela.

14 Watî-ke u-Yesu, Bayekeni abantwana, ningabaleli ukuza kum; kuba ubukumkani bamazulu bobabo banjalo.

15 Wazibeka izandla pêzu kwabo, wemka apô.

16 Kwabonakala kusiza otîle watî kuye, Mfundisi ulungileyo, yiyipîna into elungileyo endingenza yona, ukuze ndibe nabo ubomi obungunapâkade?

17 Utê-ke kuye, Yinina ukuba utî ndilungile? akukô ulungileyo, mnye kwapêla, ngu-Tixo. Ukuba-ke utânda ukungena ebomini, yigcine imitêtô.

18 Atî kuye, Yipîna? Watî-ke u-Yesu, Yona le: uz'ungabulali, uz'ungaŕexezi, uz'ungebi, uz'unganqîni buxoki,

19 Beka uyihlo nonyoko; nawo lo: uz'umtânde ummelwane wakô njengoko uzi*tânda* ngako.

20 Iti kuye indodana leyo, Zonke ezozinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam; ndisaswele nto-nina?

21 Watî u-Yesu kuyo, Ukuba unga ungafezeka, hamb'uye kutêngisa ngempahla zakô upê amahlwempu, woba nobutyebi ezulwini; uze-ke undilandele.

22 Ilivile-ke indodana ilizwi elo, yemka ibuhlungu; kuba ibinemfuyo eninzi.

23 Watî-ke u-Yesu kubafundi bakê, Inene nditî kuni, Koba ngenkankulu ukuba isityebi singene ebukumkanini bamazulu.

24 Kananjalo-ke nditî kuni, Kulula ukuba in-kamela ipûmele entunjeni ye-nalîti, kunokuba isityebi singene ebukumkanini buka-Tixo.

25 Bakuva-ke abafundi bakê, bakŵanqiswa kakûlu, besiti, Ngubanina-ke ongasindiswayo?

26 Ondele-ke u-Yesu watî kubo, Kubantu lento ayinakwenzeka; ke kuye u-Tixo zonke izinto zinakô ukwenzeka.

27 Wapêndula u-Petros watî kuye, Uyabona, tîna sishiye into zonke sakulandela; siya kuba nanto-nina-ke?

28 Watî-ke u-Yesu kubo, Inene nditî kuni, Nina nindilandeleyo, ekuzalweni okutsha xa atê wahlala u-Nyana womntu pêzu kwe-trone yozuko lwakê, niya kuhlala nani pêzu kwe-trone ezilishumi elinambîni, nigweba ezizweni ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

29 Umntu wonke oshiye izindlu, nokuba ngabazalwana, nokuba ngodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yegama lam, uya kwamkela kalikûlu, abudle ilifa ubomi obungunapâkade.

30 Ke baninzi abokuqala abaya kuba ngabokugqibela, nabokugqibela *abaya kuba* ngabokuqala.

20 Kuba ubukumkani bamazulu bufana nomntu ongumnini-ndlu, owapuma ekuseni waya kuqesha abasebenzi bokuya esi-diliyeni sakê.

2 Akuvumelana nabasebenzi nge-denariyo[1] ngemini, wabatûma esi-diliyeni sakê.

3 Epûme malunga nelixa lesitâtû, wabona abanye bemi endaweni yembûtô bengasebenzi.

4 Watî nakwabo, Hambâni nani niye esi-diliyeni, ndoninika okusukuba kufanelekile. Bahambâ-ke baya.

5 Wabuya wapûma malunga nelixa lesi-

[1] I-denariyo ezimbini ziyi-shelenі ene-tîki.

Digitized by Google

tândatû nelesitôba, wenza kwa ngokunjalo.

6 Epûmile-ke malunga nelixa leshumi elinanye, wafumana abanye bemi bengasebenzi; atî kubo, Yinina ukuba nime apâ imini ipêla ningasebenzi?

7 Batî kuye, Akukô bani usiqeshileyo. Atî kubo, Hambâni nani niye esi-diliyeni, niya kwamkela okusukuba kufanelekile.

8 Kwakuhlwa utî umnini-si-diliya egoseni lakê, Babize abasebenzi, ubamkelise, uqala kwabokugqibela ude uye kwabokuqala.

9 Bezile abo *babeqeshwe* malunga nelixa leshumi elinanye, bamkela elowo i-denariyo.[1]

10 Kekaloku bakuza abokuqala, baba baya kwamkela into engapêzulu; nabo bamkela elowo i-denariyo.[1]

11 Beyamkele-ke bamřorela umninindlu,

12 Besitî, Aba bokugqibela basebenze ilixa lalinye, usuke wabalinganisa natî tîna sitwele ubunzima nobushushu bemini.

13 Wapêndula-ke yena watî komnye wabo, Wetû, andikôni; ubungavumelananga nam nge-denariyo[1] yinina?

14 Tâbatâ okwako uhambê; nditânda ukumnika lowo wokugqibela kwa njengoko *ndikunike* ngako.

15 Akuvumelekile-na ukuba ndenze endikutândayo ngokukokwam? Iliso lakô likôhlakele-na, ngokuba ndilungile mna?

16 Ngokunjalo abokugqibela baya kuba ngabokuqala, nabokuqala *baya kuba* ngabokugqibela; kuba baninzi ababiziweyo, ke bambâlwa abanyuliweyo.

17 Kekaloku enyuka u-Yesu esiya e-Yerusalem, wabatâbatâ abafundi abalishumi elinababini babodwa endleleni, watî kubo,

18 Niyabona, siyenyuka siya e-Yerusalem, waye u-Nyana womntu eya kunikelwa kubo ababingeleli[2] abakûlu nababâli, baya kumgwebel' ukufa,

19 Bamnikele kuzo in-Tlanga ukuba zidlale ngaye, zimtyakatye, zimbetêle emnqamlezweni, atî ngomhla wesitâtû abuye avuke.

20 Ngeloxesha kweza kuye unina wonyana baka-Zebedi enonyana bakê, equbuda, ecela into kuye.

21 Watî-ke yena kuye, Utânda nto-nina?

[1] I-denariyo ezimbini ziyi-sheleni ene-tiki.
[2] Abeuzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

Atî kuye, Yitsho baze abanyana bam bobabini bahlale, omnye ngasekunene kwakô, omnye ngasekôhlo, ebukumkanini bakô.

22 Upêndule-ke u-Yesu wati, Aniyazi into eniyicelayo. Ninakô-na ukuyisela indebe endiza kuyisela mna, nibâptizwe ngo-bâptizo endibâptizwa ngalo mna? Bati kuye, Sinakô.

23 Ati kubo, Okunene indebe yam niya kuyisela, no-bâptizo endibâptizwa ngalo mna niya kubâptizwa kwa ngalo; kodwa kôna ukuhlala ngasekunene kum nangasekôhlo kum asikwam ukupâ ngako, kopîwa abo kulungiselwe bona ngu-Bawo.

24 Bekuvile-ke oko abalishumi, babacapûkela abobazalwana bobabini.

25 Kekaloku u-Yesu ebabizele kuye watî, Niyazi ukuba abapâtî ben-Tlanga bayazigagamela, nabo bazikûlu benza ngegunya kuzo.

26 Zekungabi njalo-ke pâkatî kwenu nina; osukuba enga angaba mkûlu pâkatî kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu;

27 Nosukuba enga angaba ngowokuqala pâkatî kwenu, makabe ngumkônzi wenu;

28 Kwa njengokuba u-Nyana womntu engezanga kulungiselelwa, weza kulungiselela, nokuncama ubomi bakê bube yintlaulelelo yokukûlula abaninzi.

29 Bakubon' ukuba bayapûma e-Yeriko walandelwa yindimbâne enkulu.

30 Nanko kuhleli imfama zimbîni ngasendleleni; zatî, zakuva ukuba kudlula u-Yesu, zadanduluka, zisitî, Senzele inceba, Nkosi, nyana ka-Davide.

31 Kekaloku indimbâne yazikâlimela ukuba zitî-tu; kwaba kukôna-ke zadandulukayo, zisitî, Senzele inceba, Nkosi, nyana ka-Davide.

32 Wema u-Yesu, wazibiza watî, Ninga ndinganenzela nto-nina?

33 Zitî kuye, Nkosi, ukuba kuvulwe amehlo etû.

34 Wasikwa-ke yimfesane u-Yesu, wawacûkumisa amehlo azo; zaba nokubona kwa oko ngamehlo azo, zamlandela.

21 Kutê, xa bebesondele e-Yerusalem, befikile e-Betefage, kwintaba yemi-Nquma, u-Yesu wesusa abafundi bababini,

2 Esitî kubo, Yiyani emzaneni-lo ukângelene nani, kwa oko nofumana i-esile

Digitized by Google

libotshelelwe linetôle; likûluleni nilizise kum.

3 Nokuba kukô otê watêtâ into kuni, notî, Ayafuneka e-Nkosini; wotî-ke awatûmele kwa oko.

4 Kekaloku oku konke kwenzeke, ukuze kuzaliseke okwatêtwayo ngom-profeti, esitî:

5 Yitîni kwintombî u-Tsiyon,
Yabona, ukumkani wakô uza kuwe,
Enobulali, ekwele e-esileni ilitôle-ke,
Inkonyana yento ebotshwayo.

u-Zek. 9, 9.

6 Baya-ke abafundi, benza ngoko wayebamisele ngako u-Yesu,

7 Balizisa i-esile netôle, babeka ingubo zabo pêzu kwawo, bamhlalisa pêzu kwazo.

8 Yatî-ke inkoliso yendimbâne yazandlala ingubo zayo endleleni; baye abanye bexûzula amasebe emitîni, bewandlala endleleni.

9 Zaye-ke indimbâne ebezihambâ ngapâmbîli nebezilandela zidanduluka, zisitî, Hosana kuye unyana ka-Davide; makabongwe lo uzayo esegameni le-Nkosi; Hosana enyangweni.

10 Akungena e-Yerusalem, wonke umzi wazamazama, usitî, Ngubanina lo?

11 Batî-ke abantu, Lo ngu-Yesu umprofeti ongowase-Nazarete yelase-Galili.

12 Wangena u-Yesu e-tempileni ka-Tîxo, wabakûpâ bonke ababetêngisa nababetênga e-tempileni, wazibûkuqa i-tafile zabananisi bemali, nezihlalo zabatêngisa ngamahobe;

13 Atî kubo, Kubâliwe kwatîwa: Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu yokutândaza; ke nina niyenze umqolombâ wezihange.

14 Kweza kuye imfama neziqwala e-tempileni apô, wazipîlisa.

15 Batê-ke ababingeleli [1] abakûlu nababâli, bakuyibona imimangaliso awayenzayo, kwa nabantwana bedanduluka e-tempileni, besitî, Hosana kuye unyana ka-Davide, basuka bacapûka,

16 Batî kuye, Uyayiva-na into abayitêtâyo aba? Atî-ke u-Yesu kubo, Ewe; anizanga nikulese-na ukutî, Emlonyeni wentsana nabanyayo ulungiselele udumiso?

17 Wabashiya, wapûmela ngapândle komzi, waya e-Betani, walala kôna.

18 Utê-ke kwakusa, xa abuyela kuwo umzi, walambâ.

19 Watî, ebone mkîwane utîle ngasendleleni, waya kuwo, akafumana nto kuwo, yangamagqabi odwa; atî kuwo, Makungaze kuvele siqâmo kuwe napâkade. Wasuka woma kwa oko umkîwane-lowo.

20 Bakukubona oko abafundi bamangaliswa, besitî, Utê-nina ukoma msinya kangakanana umkîwane?

21 Wapêndula-ke u-Yesu watî kubo, Inene nditî kuni, ukuba nitê nanokûlo, anatândabuza, anisokwenza lento yomkiwane yodwa, kosuka nokuba nitê kulentaba, Tâbatêka upôseke elwandle, kwenzeke.

22 Nento zonke enitê nazicela ekutândazeni nikôlwa, nozamkela.

23 Kutê akungena e-tempileni, xa afundisayo, beza kuye ababingeleli [1] abakûlu namadoda amakûlu abantu, besitî, Ezizinto uzenza ngagunya linina? Kananjalo ngubanina okunike eligunya?

24 Wapêndula-ke u-Yesu watî kubo, Nam ndiya kubuza kuni zwi-nye, endotî, ukuba nitê nandixelela lona, ndinixelele nam ukuba ndizenza ngagunya linina ezizinto.

25 U-bâptizo luka-Yohane lwalupûma pîna, ezulwini ebantwini sinina? Bacamanga-ke bodwa, besitî, Ukuba sitê, Lwapûma ezulwini, wotî kutî, Ibiyinina pôfu ukuba ningakôlwa nguye?

26 Ukuba-ke sitê, Lwapûma ebantwini; soyika abantu; kuba bonke bebambé ukutî u-Yohane ungum-profeti.

27 Bampêndula u-Yesu batî, Asazi. Watî naye kubo, Nam-ke andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya linina ezizinto.

28 Nitî-nina-ke nina? Umntu waye nabantwana ababini; weza kowokuqala watî, Mntwanam, yiya kusebenza namhla esi-diliyeni sam.

29 Wapêndula-ke yena watî, Andiyi; ke wabuya wazohlwaya, waya.

30 Weza nakowesibini, watêtâ kwa ngokunjalo. Wapêndula-ke yena watî, Ndi*yaya*, Nkosi; akaya.

31 Nguwupîna kwabo bobabini owenza ukutânda kukavise? Batî kuye, Ngowokuqala. Atî kubo u-Yesu, Inene nditî kuni, Bayanipângela-ke ukungena ebuku-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye ala-priste.

Digitized by Google

mkanini buka-Tixo ababuti be-fafu namahenyukazi.

32 Ngokuba u-Yohane weza kuni ngendlela yobulungisa, anakólwa nguye; kodwa bakólwa nguye bona ababuti be-fafu namahenyukazi; ke nina, nakukubona *oko*, anibuyanga nizohlwaye, ukuze nikólwe nguye.

33 Yivani omnye umzekeliso. Bekukó umnini-ndlu otile owatyala isi-diliya, wasibiyela ngotángo, wembá kuso isixovulelo se-diliya, waká inyango, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambéla kwelinye.

34 Kuté-ke lakusondela ixesha leziqámo, watúma abakónzi bakè kubalimi abo ukuya kwamkela iziqámo zaso.

35 Besuka abalimi babatábatá abakónzi bakè, bati omnye bamtyabula, omnye bambulala, nomnye bamgibisela ngamatye.

36 Wabuya watúma abanye abakónzi bebaninzi kunabokuqala, benje njalo nakubo.

37 Uté-ke kamva watúma kubo unyana wakè, esiti, Baya kumhlonela yena unyana wam.

38 Batè-ke bakumkona unyana abalimi, batshono ukuti, Yindla-mafa le; yizani siyibulale, sihlale nelifa layo.

39 Bamtábatá, bamkúpéla ngapándle kwesi-diliya, bambulala.

40 Xa até weza ngoko umnini-si-diliya, uya kwenza nto-nina kwabobalimi?

41 Bati kuye, Uya kubatshabalalisa kakubi abangendawo-abo, aze isi-diliya-eso aqeshise ngaso kubalimi bambi, abomamkelisa iziqámo ngamaxesha azo.

42 Ati kubo u-Yesu, Anizanga nilese-na ezibálweni *ukuti*,

Ilitye abalicekisayo abaki,
Lelona laba yintloko yembómbó;
Lavela e-Nkosini lona,
Lingummangaliso emehlweni etú?

in-Dum. 118, 22.

43 Ngenxa yoko nditi kuni, Ubukumkani buka-Tixo buya kususwa kuni, bunikwe uhlanga oluzivelisayo iziqámo zabo.

44 Kanjalo lowo uwe pézu kwelilitye uya kutyumka, ke lowo litè lamwela liya kumbet' ati-sa.

45 Bati ababingeleli [1] abakúlu naba-Farisi, bakuyiva imizekeliso yakè, baqonda ukuba utétá ngabo.

46 Bati befuna ukumbambá boyika abantu, ekubeni-ke bebebambè ukuti ungumprofeti.

22 Wapéndula u-Yesu, wabuya watétá kubo ngemizekeliso, esiti,

2 Ubukumkani bamazulu bufanekiswa nomntu ongukumkani owamenzela umsitó unyana wakè.

3 Wesusa abakónzi bakè ukuba baye kubabiza abamenyiweyo beze emsitweni; basuka abavuma ukuza.

4 Wabuya wesusa abanye abakónzi, esiti, Yitshoni kwabamenyiweyo ukuti, Yabonani, isidlo sam sendisilungisile, inkomo zam nento zam ezityetyisiweyo zixéliwe, konke sekulungile, yizani emsitweni.

5 Abakátálanga-ke bona, basuka bemka, omnye waya kweyakè intsimi, omnye waya ekufwebeni kwakè.

6 Bati-ke abaseleyo bababambá abakónzi bakè, babapátá kakubi, bababulala.

7 Evile-ke ukumkani waqumbá, wayikúpá imikosi yakè, wabatshabalalisa abobabulali, wawutshisa nomzi wabo.

8 Aze ati kubakónzi bakè, Umsitó okunene sewulungile wona, kodwa abamenyiweyo bebengafanelekile.

9 Yiyani ngoko ezintlanganweni zendlela, niti abo nitè nabafumana, nibabize beze emsitweni.

10 Bapúma abobakónzi baya ezindleleni, bahlanganisa bonke ababafumanayo, abakóhlakeleyo kwa nabalungileyo; wazala umsitó ngabamenyiweyo.

11 Kekaloku akungena ukumkani eza kukángela abamenyiweyo, wabona apó umntu ongambétè ngubo yamsitó.

12 Ati kuye, Wetú, uté-nina ukungena apá unge nayo ingubo yomsitó? Lamkóhla-ke.

13 Wati ukumkani kubalungiseleli, Mbopéni inyawo nezandla, nimtábatè nimkúpéle ebumnyameni bangapándle; kóna apó kuya kubakó ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

14 Kuba baninzi ababiziweyo, ke bambálwa abanyuliweyo.

15 Baza aba-Farisi baya benza ibúnga lokuba bamtiyele ekutétèni kwakè.

16 Batúmela kuye abafundi babo benama-Herode, besiti, Mfundisi, siyazi uku-

[1] Abenzoleleli kwi-Test. ondala ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

ba uyinyaniso, uyifundisa indlela ka-Tîxo ngenyaniso; kananjalo akukâtâli nangubani, kuba akukêti buso bamntu.
17 Sixelele ngoko, utî-nina wena? kuvumelekile-na ukumnika i-ŕafu u-Kesare, aku*vumelekile* sinina?
18 Kekaloku eyazi u-Yesu inkohlakalo yabo, watî, Nindilingela-nina, bahanahanisindini?
19 Ndiboniseni iqôsha le-ŕafu. Bamzisela-ke i-denariyo.[1]
20 Ati kubo, Ngokabanina lomfanekiso nombâlo?
21 Bati kuye, Ngoka-Kesare. And'ukutî kubo, Nikelani kaloku into zika-Kesare ku-Kesare, nento zika-Tîxo ku-Tîxo.
22 Bakuva bamangaliswa, basuka bamshiya bemka.

23 Kwa ngalomini kweza kuye aba-Sadusi, abatî akukô luvuko, bambuza;
24 Besitî, Mfundisi, u-Moses watî: Ukuba ubani utê wafa enge nabantwana, wotî umzalwana wakê amngene umfazi wakê, amvelisele imbêwu umzalwana wakê.
25 Kekaloku kwaye kukô kutî abazalwana abasixênxe, waza owokuqala akubon' ukuba uzekile wabûbâ, watî, kuba enge nambêwu, wamshiya kumzalwana wakê umfazi wakê.
26 Wenje njalo nowesibini nowesitâtû, kwada kwaya kowesixênxe.
27 Emveni-ke kwabo bonke wafa naye umfazi.
28 Ngoko eluvukweni uya kuba ngumfazi wawupîna kwesosixênxe? kuba babe naye bonke.
29 Wapêndula-ke u-Yesu watî kubo, Niyalahleka, kuba ningazazi izibâlo kwa namandla ka-Tîxo.
30 Kuba eluvukweni abazeki, abendiswa, banjengazo izitûnywa zika-Tîxo ezulwini.
31 Ngalo-ke uvuko lwabafileyo, anikulesanga-na okwatêtẘayo kuni ngu-Tîxo, esitî:
32 Mna ndingu-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi? u-Tîxo aka-Tîxo wabafileyo, ungowabapîlileyo.
33 Zatî indimbâne zakukuva zakẘanqiswa yimfundiso yakê.

34 Kekaloku batê aba-Farisi, bakuva ukuba ubetê labakôhla aba-Sadusi, bahlanganiselana ndawo-nye.
35 Omnye kubo ongumqondisi-mtêtô wambuza emlinga, watî,
36 Mfundisi, owona mtêtô mkûlu emyalelweni nguwupîna?
37 Watî-ke u-Yesu, kuye, Uz'uyitânde i-Nkosi u-Tîxo wako ngentliziyo yakô ipêla, nangompêfumlo wakô upêla, nangengqondo yakô ipêla.
38 Nguwo lowo owokuqala nomkûlu umtêtô.
39 Owesibini-ke ufana nawo: Uz'umtânde ummelwane wakô ngoko uzi*tânda* ngako.
40 Kulemitêtô yomibini kuxômekeke umyalelo upêla naba-profeti.

41 Bakubon' ukuba bahlanganisene-ke aba-Farisi, u-Yesu wabuza kubo,
42 Esitî, Nitî-nina nina ngaye u-Kristu? ungunyana kabanina? Batî kuye, Ka-Davide.
43 Atî kubo, Yinina pôfu ukuba u-Davide ngo-Moya ambize ngokutî, Nkosi, esitî:
44 Yatî i-Nkosi e-Nkosini yam,
Hlala ngasekunene kwam,
Ndide intshaba zakô ndizenze isi-tulo senyawo zakô? in-Dum. 110, 1.
45 Ukuba u-Davide ngoko umbiza ngokuba-Nkosi, ungunyana wakê nganina?
46 Akubangakô namnye ube nakô ukumpêndula nezwi-eli; kananjalo kususela kulomini akubanga sabikô mntu waba nobuganga bakumbuza nto.

23 Waza u-Yesu watêtâ kwindimbâne nakubafundi bakê,
2 Esitî, Ababâli naba-Farisi bahleli esihlalweni sika-Moses;
3 Konke ngoko abasukuba besitî kuni kugcineni, zenikugcine nikwenze; kodwa zeningenzi ngokwemisebenzi yabo; kuba betêtâ, baze bangenzi.
4 Kuba bebopâ imitẘalo enzima esindayo, bayibeke emagxeni abantu, babe-ke bona bengatândi kuyishukumisa nangomnwe-lo wabo.
5 Yonke imisebenzi yabo-ke bayenza ngokunga bangabonwa ngabantu; bazenza banzi-ke izikûmbûzo zabo, bazandise intshinga zengubo zabo;
6 Kananjalo batânda izilili zobukûlu e-

[1] I-denariyo ezimbini ziyi-sheleni ene-tiki.

Digitized by Google

zidlweni, kwa nezihlalo zobukûlu ezindlwini zesikûngu,
7 Nemibuliso ezindaweni zembûtô, nokubizwa ngabantu kutîwe, Rabî, Rabî.[1]
8 Ke nina maningabizwa ngokuba-Rabî; kuba mnye u-Mkôkeli wenu, u-Kristu; nina-ke nonke ningabazalwana.
9 Ningabizi mntu ngokuba nguyihlo emhlabeni apâ; kuba mnye u-Yihlo wenu, lowo usezulwini.
10 Kanjalo maningabizwa ngokuba ningabakôkeli; kuba mnye u-Mkôkeli wenu, u-Kristu.
11 Omkûlu-ke kuni makabe ngumlungiseleli wenu.
12 Osukuba-ke ezipâkamisa uya kutôtywa; nosukuba ezitôba uya kupâkanyiswa.

13 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba nibuvala ubukumkani bamazulu pâmbî kwabantu; kuba aningeni nina, nabangenayo anibavumeli ukuba bangene.

14 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba nisidla izindlu zabahlolokazi, nize ngokunŷwalaza nitândaze uzungu; ngenxa yoko niya kwamkela ugwebo olugqitiseleyo.
15 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba nijikajika ulwandle nomhlaba ukuze nenze nokuba mnye engena ebu-Yudeni; nitî, xa atê wazuzeka, nimenze abe ngumntwana wesihogo ngokupîndiweyo kunani.

16 Yehâ nina bakôkelindini bazimfama! nina nitî, Otê wafunga i-tempile, akunto oku; ke otê wafunga i-golide ye-tempile, unetyala.
17 Ziyatâ, zimfama, kanene yiyipîna enkulu? yi-golide, yi-tempile eyingcwalisayo i-golide kusinina?
18 Kanjalo *nina nitî*, Otê wafunga isibingelelo, akunto oko; ke otê wafunga umnikelo opêzu kwaso, unetyala.
19 Ziyatâ, zimfama, kanene yiyipîna enkulu? ngumnikelo, sisibingelelo esiwungcwalisayo umnikelo kusinina?
20 Lowo usifungayo ngoko isibingelelo, ufunga sona nento zonke ezipêzu kwaso.
21 Nalowo uyifungayo i-tempile, ufunga yona nomiyo kuyo.
22 Nalowo ulifungayo izulu, ufunga itrone ka-Tîxo nohleli pêzu kwayo.

23 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba ninikela izishumi zetyeleba ne-dile ne-kumin, kanti nizishiyile ezona ndawo zinzima zomtêtô, umgwebo nenceba nokôlo; ezi benimelwe kukuba nizenze, nitî neziya ningazishiyi.
24 Bakôkelindini bazimfama, abahluza imbûzane, ke baginye in-kamela.

25 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba nihlambûlula umpândle wendebe nesitya, kanti-ke ngapâkatî kuzele kupânga nokungazeyisi.
26 Mfarisindini uyimfama, hlambûlula tanci okungapâkatî kwendebe nesitya, ukuze kutî okungapândle kwazo kuhlambûluke nako.

27 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba nifana namancŵaba aqatywe ifutâ, ati abonakale emahle okunene ngapândle, kanti ngapâkatî azele ngamatâmbô abafileyo nokuncôla konke.
28 Ngokukwanjalo nani ngapândle okunene nibonakala kubantu ningamalungisa, kanti ngapâkatî nizele luhanahaniso nokucâsene nomtêtô.
29 Yehâ nina babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba niwakâ amancŵaba aba-profeti, nivatîse amancŵaba amalungisa,
30 Niti, Ukuba sasikô tîna ngemihla yobawo, ngesingabanga nabudlelane nabo ngegazi aba-profeti.
31 Ngoko niyanqîna kwa nina, ukuba ningonyana babo babulala aba-profeti.
32 Wuzaliseni kambê nani umlinganiselo woyihlo.
33 Zinyokandini, nzalandini yamafâmbâ, ningatî-nina ukuwusaba umgwebo wesihogo?
34 Ngenxa yoko, niyabona, mna ndinitûmela aba-profeti nezilumko nababâli, niya kutî inxenye kubo niyibulale niyibetêle emnqamlezweni, nitî inxenye kubo niyityakatye ezindlwini zenu zesikûngu, niyitshutshise kwimizi ngemizi;
35 Ukuze linifikele lonke igazi elinobulungisa elapâlazwayo emhlabeni apâ, litâbatêla egazini lika-Abeli ilungisa, lizise egazini lika-Zekariya unyana ka-Bereki-

[1] Mfundisi.

Digitized by Google

ya, enambulalela pâkatî kwendawo engcwele nesibingelelo.
36 Inene nditî kuni, Zonke ezonto ziya kusihlela esisizukulwana.

37 Yerusalem, Yerusalem, wena ubabulalayo aba-profeti, ubagibisele ngamatye abo batûnywe kuwe, kufutî kangakananina nditândê ukubabutêla ndawo-nye abantwana bakô, ngohlobo esitî isikûkukazi siwabutêle ndawo-nye amatôle aso ngapântsi kwamapîko, anavuma!
38 Yabonani, indlu yenu ishiywa nani izé.
39 Kuba nditî kuni, Aniyi kuba sandibona emveni koku, nide nitî, Makabongwe lowo uzayo ngegama le-Nkosi.

24 Epûmile u-Yesu wemka e-tempileni; batê abafundi bakê beza kumbonisa izakîwo ze-tempile.
2 Watî-ke u-Yesu kubo, Niyazibona-na zonke ezizinto? Inene nditî kuni, Akusayi kusala apâ ilityе pézu kwelityе elingayi kucîtwa.

3 Kekaloku akubon'ukuba uhleli entabeni yemi-Nquma, beza kuye abafundi bebodwa, batî, Sixelele ukuba ziya kubakô ninina ezozinto; *uya kuba* yinina umqondiso wokufika kwakô, nowokupêliswa kwepâkade-eli.
4 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Lumkani ningalahlekiswa mntu.
5 Kuba baninzi abaya kuza ngegama lam, besitî, bangu-Kristu, balahlekise into eninzi.
6 Niya kutî-ke nive imfazwe namafe emfazwe; lumkani ningabi navuso, kuba zonke *ezozinto* zimele ukuhla; kanti kôna ukupêla akukabikô.
7 Kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani; kuya kubakô indlala, nendyikitya yokufa, nezinyikimo zomhlaba kwindawo ngendawo.
8 Zonke-ke ezozinto zikuqaleka kwenimbâ.
9 Ngeloxesha baya kuninikela ekubandezelweni, banibulale; niya kutîywa zintlanga zonke ngenxa yegama lam.
10 Ngeloxesha baninzi abaya kukûtyekiswa, banikelane, batîyane.
11 Kwaye kuya kuvela aba-profeti ababuxoki babe baninzi, balahlekise *abantu* abaninzi.
12 Nangenxa yokwanda kokucâsa umtêtô, luya kupôla utândo lwabaninzi.
13 Ke onyamezeleyo kwada kwasekupêleni, lowo uya kusindiswa.
14 Zaye ezindaba zilungileyo zobukumkani ziya kuvakaliswa kulo elimiweyo lipêla, zibe bubunqîna kuzo zonke intlanga; kwandule-ke ukufika ukupêla.

15 Xa kengoko nitê nalibona isikizi lesipânziso, ekwakutêtwa lona ngo-Daniyeli um-profeti, limi endaweni engcwele, (olesayo makaqiqe,) u-Dan. 9, 27; 12, 11.
16 Ngeloxesha mabatî abakwelakwa-Yuda basabele ezintabeni.
17 Opêzu kwendlu makangehli aye kutâbatâ into endlwini yakê;
18 Nosentsimini makangabuyeli emva aye kutâbatâ ingubo zakê.
19 Yehâ-ke abamitîyo nabanyisayo ngalomihla!
20 Tândazani-ke, ukuba intsabo yenu ingabi kôna ebusika nange-sabatâ.
21 Kuba ngeloxesha kuya kubakô imbândezelo enkûlu, ekungazanga kubekô injalo kwa sekuqalekeni kwehlabatî kwada kwakaloku-nje, ekungasayi kubuye kubekô *injalo*.
22 Kanjalo ukuba ibingayi kutî lomihla inqanyulelwe, bekungayi kubakô nyama isindayo; ngenxa-ke yabanyuliweyo lomihla iya kunqanyulelwa.
23 Ngeloxesha ukuba ubani utê kuni, Nanku apâ u-Kristu, nokuba *utê*, Nankuya pâya; musan' ukukôlwa.
24 Kuba kuya kuvela o-Kristu ababuxoki, naba-profeti ababuxoki, benze imiqondiso emikûlu nezimanga, ngokokude batî, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo.
25 Yabonani, ndinixelele ngenx' engapâmbîli.
26 Ukuba ngoko batî kuni, Nanko entlango; musan' ukupûma *niye*. *Nokuba batî*, Nanko emagumbîni; musan' ukukôlwa.
27 Kuba kwa njengokuba umbane uti upûme empumalanga, ubonakale kude kuse entshonalanga, kuya kuba njalo nokufika ko-Nyana womntu.
28 Kuba apô sukuba sikôna isidûmbû, aya kuhlanganisana kôna amaxâlanga.

29 Kwa oko-ke emveni kwembândezelo

Digitized by Google

yalomihla, ilanga liya kwenziwa mnyama, itî nenyanga ifipale, zitî nenkwenkwezi ziwe ezulwini, atî namandla amazulu azanyazanyiswe.

30 Uya kubonakala ngeloxesha umqondiso wo-Nyana womntu ezulwini; zimbâmbâzele ngeloxesha zonke izizwe zomhlaba, zimbone u-Nyana womntu esiza pêzu kwamafu ezulu, enamandla nobuqaqauli obukûlu.

31 Azitûme izitûnywa zakê zasezulwini zinexilongo elisandi sikûlu, zihlanganisele ndawo-nye abanyulwa bakê bapûme ku*macala* omane omoya, kutâbatêla esipêlweni samazulu, kude kuse kwesinye isipêlo sawo.

32 Wufundeni-ke umzekeliso kuwo umkîwane: Xa selitê latâmbâ isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufupî ihlobo.

33 Ngokukwanjalo nani xa nitê nazibona zonke ezozinto, yazini ukuba kukufupî, sekusemnyango.

34 Inene ndîtî kuni, Asisayi kudlula esisizukulwana, zingadanga zonke ezozinto zibekô.

35 Liya kudlula izulu nomhlaba, ke wona amazwi am akasayi kudlula.

36 Kodwa akukô bani uwaziyo lomhla nelolixa, *azazi* nezitûnywa zamazulu, nguBawo yedwa.

37 Kekaloku njengokuba *ibinjalo* imihla ka-Nowa, koba njalo nokufika ko-Nyana womntu.

38 Kuba njengokuba bebesitî ngemihla ebi ngapâmbî konogumbê, badle, basele, bazeke, bendise, kwada kwayimini awangena ngayo emkômbêni u-Nowa,

39 Bengaqondanga wada wafika unogumbê, wabakûkulisa bonke, koba njalo nokufika ko-Nyana womntu.

40 Ngeloxesha ababini boba sentsimini, atî omnye amkelwe, omnye ashiywe.

41 *Abafazi* ababini boba besila etyeni lokusila, atî omnye amkelwe, omnye ashiywe.

42 Pâpâni ngoko; ngokuba ningazi ukuba lixa lipîna eza ngalo i-Nkosi yenu.

43 Yazini-ke oku, ukuba ebesazi umnini-ndlu ukuba isela liza ngawupîna umlindo *wobusuku*, ange elindile, akavuma ukuba indlu yakê igqojozwe.

44 Ngenxa yoko yibani nilungile nani, ngokuba u-Nyana womntu uza ngelixa eningalikûmbûleliyo.

45 Ngubanina-ke lomkônzi utêmbêkileyo uqondayo, eyatî inkosi yakê yammisa pêzu kwabendlu yayo, ukuze abanike ukudla ngexesha elifanelekileyo?

46 Unoyolo lomkônzi, iya kutî yakufika inkosi yakê imfumane esenje njalo.

47 Inene ndîtî kuni, Iya kummisa pêzu kwayo yonke impahla yayo.

48 Ukuba-ke umkônzi lowa ukôhlakeleyo utê entliziyweni yakê, Inkosi yam ilibele ayizi,

49 Aqale ababetê abakônza kunye naye, adle-ke, asele nabanxilayo,

50 Iya kufika inkosi yalomkônzi ngemini angayikângeleyo, nangelixa angalaziyo,

51 Imsike kubini, immisele isabelo sakê nabahanahanisi; kon' apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

25 Ngeloxesha ubukumkani bamazulu buya kufanekiswa nentombî ezilishumi, ezazitâbatâyo izibane zazo, zapûma zaya kumkâulela umyeni.

2 Ezintlanu-ke kuzo zaye zizingqondi, ezintlanu ziziyatâ.

3 Ezo ziziyatâ, zapâtâ izibane zazo, azapâtâ oli nazo;

4 Kodwa ezizingqondi zapâtâ i-oli ezityeni zazo kwa nezibane zazo.

5 Kekaloku akubon' ukuba ulibele umyeni, zozela zonke zalala.

6 Pâkatî kobusuku-ke kwabakô umemezo *oluti*, Nanko umyeni esiza; pûmani niye kumkâulela.

7 Zaza zavuka zonke ezontombî, zalungisa izibane zazo.

8 Zatî-ke eziziyatâ kwezizingqondi, Sipêni kwi-oli yenu leyo; ngokuba izibane zetû zicima.

9 Zapêndula-ke ezizingqondi, zatî, Hayi, hleze inganeli kutî nakuni; yiyani kanye kwabatêngisayo, nizitêngele.

10 Kutê-ke, zisaya kutênga, wafika umyeni; zaza ezo bezisezilungile zangena naye emsitweni, lwavalwa-ke ucango.

11 Zitî-ke kamva zifike nezinye intombî ezo, zisitî, Nkosi, Nkosi, sivulele.

12 Yapêndula-ke yona yatî, Inene ndîtî kuni, andinazi nina.

13 Pâpâni ngoko, ngokuba ningayazi imini kwa nalo ilixa, eza ngalo u-Nyana womntu.

Digitized by Google

14 Kuba kunjengomntu owatî, eza kubambêla kwelinye, wabiza abakê abakônzi, wayinikela kubo impahla yakê.

15 Watî omnye wamnika i-talente zantlanu, omnye zambîni, nomnye yabanye, walowo wanikwa ngokwawakê amandla, wahambêla kwelinye kwa oko.

16 Lowo-ke wamkela i-talente ezintlanu waya wasebenza ngazo, wenza esinye isihlanu se-talente.

17 Kwa ngokunjalo nalowo wamkela ezimbîni, naye wazuza esinye isibini.

18 Ke naye lowo wamkela yanye, waya wembâ emhlabeni, wayifihla imali yenkosi yakê.

19 Itî-ke emveni kwexesha elikûlu ifike inkosi yabobakônzi, ibalelane nabo.

20 Weza lowo wamkela i-talente ezintlanu, wazisa esinye isihlanu se-talente, esitî, Nkosi, wandinika i-talente zantlanu; kângela, ndizuze esinye isihlanu se-talente pêzu kwazo.

21 Yatî-ke kuye inkosi yakê, He-ke! mkônzi ulungileyo utêmbêkileyo, ubutêmbêkile kwinto ezimbâlwa, ndiya kukumisa pêzu kwento ezininzi; ngena eluvuyweni lwenkosi yakô.

22 Weza-ke nalowo wamkela i-talente ezimbîni, watî, Nkosi, wandinika i-talente zambîni; kângela, ndizuze esinye isibini se-talente pêzu kwazo.

23 Yatî kuye inkosi yakê, He-ke! mkônzi ulungileyo utêmbêkileyo, ubutêmbêkile kwinto ezimbâlwa, ndiya kukumisa pêzu kwento ezininzi; ngena eluvuyweni lwenkosi yakô.

24 Weza-ke nalowo wamkela i-talente yanye, watî, Nkosi, bendikwazi wena ukuba ungumntu olukûni, uvuna apô ubungahlwayelanga kôna, ubutê apo ungelelanga kona;

25 Ndasuka ndoyika, ndaya ndayiselela i-talente yakô ngomhlaba; nanku unakô okwakô.

26 Yapêndula-ke inkosi yakê yatî kuye, Mkônzindini ukôhlakeleyo ulivila, ubusazi-nje ukuba ndivun' apô ndingahlwayelanga kôna, ndibutê apô ndingelelanga kôna,

27 Ubumelwe kukutî ngoko ube ubuyibeke imali yam kubananisi, ndaza ndakufika mna, ndabuya ndakuzuza okwam kunenzala.

28 Mhlutêni ngoko i-talente-leyo, niyinike lowo une-talente ezilishumi.

29 Kuba wonke umntu onakô uya kunikwa, abe nakô ngokugqitiseleyo; ke onge nakô uya kuhlutwa kwa noko anakô.

30 Naye umkônzi ongancedi luto, mkûpêleni ebumnyameni obungapândle; kôn' apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo.

31 Xa-ke atê wafika u-Nyana womntu esebuqaqaulini bakê, enazo zonke izitûnywa ezingcwele, ngeloxa uya kuhlala pêzu kwe-trone yobuqaqauli bakê;

32 Zihlanganiswe pâmbî kwakê zonke intlanga, abahlule abanye kwabanye, njengokuba umalûsi ezahlula izimvu ezi-bôkweni;

33 Atî zona izimvu azimise ngasekunene kwakê, atî kodwa zona i-bôkwe azimise ngasekôhlo.

34 Aze atî ukumkani kwabangasekunene kwakê, Yizani, nina nisikelelweyo ngu-Bawo, nibudle ilifa ubukumkani obalungiselwa nina kwa sekusekweni kwehlabatî;

35 Kuba ndalambâ, nandipâ ukudla; ndanxanwa, nandiseza; ndandingowasemzini, nandingenisa endlwini;

36 Ndandizé, nandambêsa; ndandisifa, nandivelela; ndandisentolongweni, neza kum.

37 Aze ampêndule amalungisa, esitî, Nkosi, sakubona ninina ulambîle, sakonga; unxaniwe, sakuseza?

38 Sakubona ninina-ke ungowasemzini, sakungenisa endlwini; uzé, sakwambêsa?

39 Sakubona ninina-ke usifa, okanye usentolongweni, seza kuwe?

40 Aze apêndule ukumkani atî kuwo, Inene nditî kuni, Ekubeni nenje njalo nakumnye wababazalwana bam bangabona bancinane, nenje njalo nakum.

41 Aze atî nakwabangasekôhlo, Mkani kum, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunapâkade, owalungiselwa umtyoli nezitûnywa zakê.

42 Kuba ndalambâ, anandipâ kudla; ndanxanwa, anandiseza;

43 Ndandingowasemzini, anandingenisa ndlwini; ndandizé, anandambêsa; ndandisifa, ndandisentolongweni, anandivelela.

44 Baze bampêndule nabo, besitî, Nkosi, sakubona ninina ulambîle, okanye unxaniwe okanye ungowasemzini, okanye

Digitized by Google

uzé, okanye usifa, okanye usentolongweni, asakulungiselela?

45 Aze abapêndule, esitî, Inene nditî kuni, Ekubeni ningenjanga njalo nakumnye waba bangabona bancinane, anenjanga njalo nakum.

46 Baya kumka aba baye elubetŵeni olungunapâkade, ke wona amalungisa *aya kuya* ebomini obungunapâkade.

26 Kwatî, xa ebewagqibile u-Yesu onke lamazwi, watî kubafundi bakê,

2 Niyazi ukuba emveni kwentsuku ezimbîni kukô i-pasika, aze u-Nyana womntu anikelwe ukuba abetêlwe emnqamlezweni.

3 Batî ngeloxa ababingeleli[1] abakûlu, nababâli, namadoda amakûlu abantu, bahlanganiselana endlwini yombingeleli[1] omkûlu okutiwa ngu-Kayafa,

4 Babûnga ukuba bambambê u-Yesu ngenkohliso, bambulale.

5 Ke babesitî, Makungabi kôna ngomtêndeleko, ukuze kungehli saqunge pâkatî kwabantu.

6 Kekaloku akubon'ukuba u-Yesu use-Betani, endlwini ka-Simon owaye neqênqa,

7 Kweza kuye umfazi enehlala le-labastile linamafutâ aqôliweyo axabiso likûlu, wawagalela pêzu kwentloko yakê, akubon' ukuba uhleli ngasesitêbeni.

8 Bekubonile-ke *oko* abafundi bakê, bacapûka, besitî, Yeyanina lencito?

9 Kuba lamafutâ ngekutêngiswe lukûlu ngawo, kwaza kwapîwa amahlwempu.

10 Ekwazi-ke *oko* u-Yesu watî kubo, Umfazi-lo nimapûlela-nina? kuba usebenze kum umsebenzi omhle.

11 Kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo; kodwa mna anihleli ninam.

12 Kuba lamafutâ aqôliweyo yena ewatûlulele emzimbêni wam-nje, wenzele ukuncŵatywa kwam.

13 Inene nditî kuni, Apô zitê zavakaliswa kôna ezindaba zilungileyo kulo lonke ihlabatî, iya kuxelwa nayo lento ayenzileyo yena, ibe sikûmbûzo ngaye.

14 Ngeloxesha kwapûma omnye weshumi elinababini, ekutîwa ngu-Yuda Sikariyoti, waya kubabingeleli[1] abakûlu,

15 Watî, Ningandinika nto-nina, ndimnikele kuni? Bammisela-ke amaqôsha e-silvere amashumi matâtû.

16 Waza kwalapô wafuna itûba elilungileyo lokuze amnikele *kubo*.

17 Kekaloku ngowokuqala *umhla* wezonka ezinge nagwele, beza abafundi ku-Yesu, besitî kuye, Ufuna ukuba sikulungisele pîna ukuyidla i-pasika?

18 Watî-ke yena, Hambâni niye kuwo umzi, kutîle, nitî kuye, Utî umfundisi, Ixesha lam likufupî; ndiya kuyenzela kuwe i-pasika nabafundi bam.

19 Abafundi benza-ke ngoko u-Yesu abebayaleze ngako, bayilungisa i-pasika.

20 Kwakuhlwa-ke wahlala ngasesitêbeni nabalishumi elinababini.

21 Xa badlayo, watî, Inene nditî kuni, Omnye kuni aba uya kundinikela.

22 Baza, bebuhlungu kakûlu, baqala ukutî kuye bonke ngabanye, Ingaba ndim yinina, Nkosi?

23 Wapêndula-ke yena watî,Ositê-nxu nam isandla esityeni, nguye lowo uya kundinikela.

24 U-Nyana womntu uyemka okunene, njengoko kubâlwe ngaye. Kodwa-ke yehâ lomntu u-Nyana womntu anikelwa nguye! ngekumlungele ukuba ebengazalwanga lomntu.

25 Wapêndula-ke u-Yuda, lowo wamnikelayo, watî, Ingaba ndim yinina, Rabî?[2] Atî yena kuye, Uselutshilo nawe.

26 Bakubon'ukuba bayadla-ke, u-Yesu wasitâbatâ isonka, watî akusikelela waqêkeza, wanika abafundi, watî, Tâbatâni nidle, ngumzimbâ wam lo.

27 Wayitâbatâ nendebe, wabulela, wabanika, esitî, Selani kuyo nonke;

28 Kuba ligazi lam eli lomnqopîso omtsha, elipâlala ngenxa yabaninzi, ukuze kuxolelwe isono.

29 Nditî-ke kuni, Andisayi kusela kwesisiqâmo som-diliya, kutâbatêla kwelixesha kude kube yilomini sukuba ndisisela nani sisitsha ebukumkanini buka-Bawo.

30 Bakuba bevume ingoma yokudumisa, bapûma baya entabeni yemi-Nquma.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.
[2] Mfundisi.

Digitized by Google

31 Ngeloxesha utî u-Yesu kubo, Nina nonke niya kukûbeka ngam ngobubusuku; kuba kubâliwe *kwatîwa:* Ndiya kumbetâ umalûsi, zicîtacîtwe izimvu zomhlambî. u-Zek. 13, 7.

32 Kodwa emveni kokuvuka kwam, ndiya kunandulela ndiye kwelase-Galili.

33 Wapéndula-ke u-Petros watî kuye, Nokuba bonke baya kukûbeka ngawe, andisayi kukê ndikûbeke mna.

34 Watî u-Yesu kuye, Inene nditî kuwe, Kwa ngobubusuku, ingekalili inkuku, uya kundikânyela katâtû.

35 Atî u-Petros kuye, Ndingafanelana ndimelwe kukuba ndife nawe, andingekê ndikukânyele. Batsho nabo bonke abafundi.

36 Ngeloxesha ufika u-Yesu nabo kumhlatyana ekutîwa yi-Getsemane; atî kubafundi, Hlalani pântsi apâ, ndikê ndiye kutândaza pâya.

37 Watâbatâ u-Petros nonyana bobabini baka-Zebedi, waqala ukuba buhlungu nokudandatêka kakûlu.

38 Aze atî kubo, Umpêfumlo wam ubuhlungu kakûlu, ngokokude ube sekufeni; hlalani apâ nilinde nam.

39 Waza ehambêle pâmbîli umganyana, wawa ngobuso bakê, watândaza, esitî Bawo, ukuba kunokwenzeka, mayidlule kum lendebe; noko makungabi njengokutânda kwam, makube njengokutânda kwakô.

40 Uyeza kubafundi, abafumane belele, atî ku-Petros, Ninje-na ukungabi nakô ukulinda nam nexa elinye?

41 Lindani nitândaze, ukuze ningangeni ekuhendweni; umoya wona okunene unentumekelelo, ke yona inyama itâmbîle.

42 Wabuya wemka okwesibini, watândaza, esitî, Bawo, ukuba ayinakô lendebe ukudlula kum ndingatânga ndiyisele, makwenzeke ukutânda kwakô.

43 Afike abafumane bebuye balala, kuba amehlo abo ayenzima butôngo.

44 Wabashiya, wabuya wemka watândaza okwesitâtû, etêtâ kwa lona elozwi.

45 And' ukuza kubafundi bakê, atî kubo, Lalani ngoku, nipûmle; yabonani lisondele ilixa lokuba u-Nyana womntu anikelwe ezandleni zaboni.

46 Vukani, sihambê; yabonani, usondele lowo undinikelayo.

47 Kutê, esatêtâ, kwatî-gqi u-Yuda, omnye wabalishumi elinababini; weza enendimbâne enkulu inamarele nentonga, ivela kubabingeleli [1] abakûlu namadoda amakûlu abantu.

48 Kekaloku wayetê lowo umnikelayo wabanika umqondiso, esitî, Enditê ndamanga, nguye lowo; mbambêni.

49 Wafika-ke kwa oko ku-Yesu, watî, A Rabî! [2] wamanga nokumanga.

50 Watî-ke u-Yesu kuye, Wetû! ukô nganina? Band'ukuza, bamsa izandla u-Yesu, bambambâ.

51 Wesuka omnye wabo babe no-Yesu, wolula isandla wafola irele lakê, wamxabela umkônzi wombingeleli [1] omkûlu, wamnqumla indlebe.

52 Aze atî u-Yesu kuye, Libuyisele endaweni yalo irele lakô; kuba bonke abatâbatâ irele beya kutshabalala ngerele.

53 Uba andinakô-na ngoku ukumbongoza u-Bawo, andikûpêle imikosi yezitûnywa zezulu engapêzu kweshumi elinambîni?

54 Bezingatî-nina-ke oko ukuzaliseka izibâlo ezitî: Kumele ukuba kube nje?

55 Ngalo elolixa watî u-Yesu kwindimbâne, Nipûmele ukuza kubambâ mnana, ninamarele nentonga-nje, ngatî nipûmele isihange? Bendihleli nani imihla ngemihla, ndifundisa e-tempileni, anandibambâ.

56 Oku-ke konke kwenzeke, ukuze zizaliseke izibâlo zaba-profeti. Basuka bonke abafundi bamshiya, babaleka.

57 Abo-ke bambambâyo u-Yesu bamkôlela ku-Kayafa, umbingeleli [1] omkûlu, apô babehlanganisene kôna ababâli namadoda amakûlu.

58 Kekaloku u-Petros wayemlandela ebekele kude, kwada kwaya entendelezweni yendlu yombingeleli [1] omkulu: engene ngapâkatî, wahlala pântsi namadindala, ukuba abone isipêlo.

59 Kekaloku baye ababingeleli [1] abakûlu namadoda amakûlu nentlanganiso yonke tyala ipêlele befuna ubunqîna obubuko ngo-Yesu, ukuze bambulale;

60 Ababufumananga; nangona afika amanqîna abuxoki aba maninzi, ababufumananga; ada-ke afika amanqîna abuxoki emabini,

61 Atî, Lo watî, Ndinakô ukuyicîta i-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-prista.
[2] Mfundisi.

Digitized by Google

tempile ka-Tîxo, ndibuye ndiyakê ngentsuku ezintatû.

62 Wesuka wema umbingeleli[1] omkûlu, watî kuye, Akupênduli nto-na? banqîna nto-nina aba ngawe?

63 Wahlala yena u-Yesu watî-tu. Wapêndula umbingeleli[1] omkûlu watî kuye, Ndikufungisa u-Tîxo opîlileyo, ukuba usixelele ukuba unguye-na u-Kristu, unyana ka-Tîxo.

64 Atî u-Yesu kuye, Uselutshilo nawe. Ke nditî kuni, Emveni koku niya kumbona u-Nyana womntu, ehleli ngasekunene kwamandla, esiza esemafini ezulu.

65 Waza umbingeleli[1] omkûlu waziŕazula ingubo zakê, esitî, Unyelisile; sisawafunela-nina amanqîna? yabonani, ngoku nikuvile ukunyelisa kwakê;

66 Nitî-nina nina? Bapêndula-ke bona batî, Unetyala lokuba afe.

67 Baza bamtshicela ebusweni, bamntlita, abanye bammonxoza,

68 Besitî, Siprofetele, wena Kristu, ubetŵe ngubanina.

69 Kekaloku u-Petros wayehleli ngapândle entendelezweni; kweza kuye sicakazana sitîle, sisitî, Nawe ubunaye u-Yesu-lo wase-Galili.

70 Wakânyela-ke yena pâmbî kwabo bonke, esitî, Andiyazi into oyitêtâyo.

71 Kutê-ke, epûme waya esangweni, sambona esinye; sitî kwabebe kôna, Naye lo ebe naye u-Yesu wase-Nazarete.

72 Wapînda wakânyela efunga, *esitî*, Andimazi lomntu.

73 Kwatî-ke kwakuba mzuzwana, beza abo bebemi *kôna*, batî ku-Petros, Inyaniso nawe ungowabo; kuba nokutêtâ kwakô kuyakudiza.

74 Waza waqala ukushwabula nokufunga, esitî, Andimazi lomntu. Yasuka yalila kwa oko inkuku.

75 Walikûmbûla u-Petros ilizwi lika-Yesu, abelitêtîle kuye, esitî, Ingekalili inkuku, uya kundikânyela katâtû. Epûme pândle, walila ngokuŕaŕa.

27 Kutê-ke kwakusa babûnga bonke ababingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu abantu ngaye u-Yesu, ukuba bambulale.

2 Batî bakumbopâ, bamfola, bamnikela ku-Pontiyo Pilato i-fuluneli.

3 Waza u-Yuda, lowo wamnikelayo, ebone ukuba ugwetyiwe, wazohlwaya, wawabuyisela kwa kubabingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu lomaqôsha e-silvere amashumi matâtû.

4 Esitî, Ndonile, kuba ndinikele igazi elinge natyala. Batî-ke bona, Iyinina kutî lonto? zibonele wena.

5 Wawapôsa pântsi e-tempileni apô lomaqôsha e-silvere, wemka waya wazixôma.

6 Kekaloku ababingeleli[1] abakûlu bawatâbatâ lomaqôsha e-silvere, batî, Akuvumelekile ukuwagalela emkômbêni wento ezisondezwayo; ngokokuba elinani legazi.

7 Babûnga-ke, batênga ngawo umhlaba wombumbî, ukuze ube yindawo yokunc̆wabela abasemzini.

8 Kungoko wabizwayo lomhlaba ngokuba ngumhlaba wegazi, kwada kwanamhlanje.

9 Kwazaliseka-ke okwatêtŵayo ngo-Yeremiya umprofeti, esitî: Bawatâbatâ lomaqôsha e-silvere amashumi matâtû, inani lalowo wamiselwa inani, abammisela inani abonyana baka-Sirayeli,

10 Bawafolela umhlaba wombumbî, njengoko yandiyalelayo i-Nkosi.

11 Wema-ke u-Yesu pâmbî kwe-fuluneli; yambuza i-fuluneli, isitî, Unguye-na u-Kumkani wama-Yuda? Wati-ke u-Yesu kuyo, Nawe utsho.

12 Kekaloku ekumangalelweni kwakê ngababingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu, akapêndulanga nto.

13 Aze atî u-Pilato kuye, Akuziva-na ukuba zininzi kwazo indawo abazinqînayo ngawe?

14 Akapêndula zwi noko lilinye, yada yamangaliswa kakûlu i-fuluneli-leyo.

15 Kekaloku imitêndeleko ngemitêndeleko i-fuluneli ibiqêle ukuyikûlulela indimbâne umbanjwa abe mnye, lowo bebesitî bamfune.

16 Baye-ke ngeloxesha benombanjwa obesazeka, ekutîwa ngu-Baraba.

17 Bakubon'ukuba ngoko bahlanganisene, watî kubo u-Pilato, Nitânda ukuba ndinikûlulele wupîna? u-Baraba, u-Yesu ekutîwa ngu-Kristu, kusinina?

18 Kuba ebesazi ukuba bamnikela ngomona.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

19 Akubon'ukuba uhleli esihlalweni sokugweba, umfazi wakê watûmela kuye, esitî, Uz'ungabi nakutîni kulomntu ulilungisa; kuba namhla-nje ndivê izinto ezininzi ezinzima epûpêni ngenxa yakê.

20 Kodwa ababingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu bazeyisela indimbâne ekutîni zicele u-Baraba, zimtshabalalise u-Yesu.

21 Yapêndula-ke i-ƒuluneli yatî kubo, Nguwupîna kwaba bobabini enitânda ukuba ndinikûlulele yena? Batê-ke bona, Ngu-Baraba.

22 Atî u-Pilato kubo, Ndimenze-nina-ke u-Yesu ekutîwa ngu-Kristu? Batî kuye bonke, Makabetêlwe emnqamlezweni.

23 Yatî-ke i-ƒuluneli, Kuba enze bubi bunina? Kwaba kukôna-ke bancamisayo ukunqangaza, besitî, Makabetêlwe emnqamlezweni.

24 Utê-ke u-Pilato, akubona ukuba akancedi luto, *ebona* ukuba sisuke sangakumbî isipîtîpîtî, watâbatâ amanzi, wahlambâ izandla pâmbî kwendimbâne, esitî, Andinatyala egazini lalomntu ulilungisa; ziboneleni nina.

25 Bapêndula bonke abantu batî, Igazi lakê *malibe* pêzu kwetû napêzu kwabantwana betû.

26 Waza wabakûlulela u-Baraba; watî-ke, emtyakatyile u-Yesu, wamnikela ukuba abetêlwe emnqamlezweni.

27 Aza ama-soldati e-ƒuluneli amtâbatâ u-Yesu, amsa endlwini ye-ƒuluneli, alihlanganisela pêzu kwakê ibutô-*lawo* lipêla.

28 Amhluba, amnxiba ingubo ebomvu.

29 Aluka isitsaba ngameva, amtî-jize ngaso entloko; *abeka* nengcongolo esandleni sakê sokunene, awa ngamadolo pâmbî kwakê, adlala ngaye, esitî, A, Kumkani wama-Yuda!

30 Amtshicela, ayitâbatâ ingcongolo, ambetâ entloko.

31 Atî, akuba edlale ngaye, amhluba ingubo-leyo, amambâtîsa kwa ezakê ingubo; amƒola, aya kumbetêla emnqamlezweni.

32 Atê-ke ekupûmeni afumana umntu wase-Kirene, ogama lingu-Simon; anyanzela lowo ukuba awutwale umnqamlezo wakê.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

33 Atî akufika ndaweni kutîwa yi-Gologota, oko kukutî, yindawo yokakayi,

34 Amnika i-viniga ipîtîkezwe nenyongo ukuba asele; watî akuyiva akavuma ukuyisela.

35 Atî-ke, akumbetêla emnqamlezweni, abelana ngengubo zakê, esenza amaqashiso; ukuze kuzaliseke okwatêtwa ngumprofeti, *esitî:* Babelana ngengubo zam, benza amaqashiso ngesambâtô sam.

in-Dum. 22, 19.

36 Ahlala pântsi, amlinda kôna apô.

37 Babeka ngapêzu kwentloko yakê ityala lakê libâliwe, *kwatîwa:* LO NGUYESU UKUMKANI WAMA-YUDA.

38 Kwaza kwabetêlwa naye emnqamlezweni izihange ezibini, esinye ngasekunene, nesinye ngasekôhlo.

39 Bamnyelisa-ke bona abadlulayo, behlunguzela intloko zabo,

40 Besitsho ukutî, Wena ucîta i-tempile, uyakê ngentsuku ezintatû, zisindise; ukuba ungu-Nyana ka-Tîxo, yihla emnqamlezweni.

41 Ngokukwanjalo-ke nababingeleli[1] abakûlu bedlala ngaye, benabo ababâli namadoda amakûlu, batî,

42 Abanye wabasindisa, yena ngokwakê akanakuzisindisa. Ukuba ungu-Kumkani ka-Sirayeli, makehle kaloku-nje emnqamlezweni, sokôlwa nguye;

43 Ukôlose ngo-Tîxo, makamhlangule kaloku-nje, ukuba uyamtânda; kuba watî, Ndingu-Nyana ka-Tîxo.

44 Zaye-ke nezihange, ezibe zibetêlwe emnqamlezweni naye, zimngcikiva kwa ngokunjalo.

45 Kutê-ke, kutâbatêle kwilixa lesitândatû kwada kwesa kwilixa lesitôba, kwehla ubumnyama pêzu kwawo wonke umhlaba.

46 Kekaloku malunga nelixa lesitôba, wadanduluka u-Yesu ngezwi elikûlu, esiti, Eli, Eli, lama sabâktani; oko kukutî, Tîxo wam, Tîxo wam, undishiye nganina?

47 Inxenye-ke yabebemi kôna, yakuva, yatî, Lomntu ubiza u-Eliya.

48 Wesuka wagidima kwa oko omnye kubo, watâbatâ imfunxa, wayizalisa ngeviniga, wayifaka engcongolweni, wamseza.

49 Batê-ke bona abanye, Kâuyeke, sibone ukuba u-Eliya uza kumsindisa-na.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

50 Utê-ke u-Yesu, epinde wadandulu-
ka ngezwi elikûlu, wawukûpâ umoya
wakê.
51 Suka ikûselo lengcwele laʃazuka ku-
bini, litâbatêle pêzulu lada lesa pântsi;
umhlaba wanyikima, namawa acandeka,
52 Namancwaba avuleka, zâti izidûmbû
ezininzi zabangcwele ababelele zavuka;
53 Bapûma emancwabeni emveni koku-
vuka kwakê, bangena kuwo umzi ongcwe-
le, babonakala kuninzi.
54 Kekaloku umtêtêli-kûlu, nabo babe-
linda u-Yesu naye, bakubona ukunyikima oko nezonto zenzekileyo, boyika kakûlu, besitî, Inyaniso, lo ebe ngu-Nyana ka-Tîxo.
55 Kwaye kukô-ke kôna abafazi abaninzi, bekângele bemgama, bona babemlandele u-Yesu kwakwelase-Galili, bemlungiselela;
56 Ekwakukô pâkatî kwabo u-Mariya wase-Magadala, no-Mariya unina wo-Yakobi no-Yose, kwa nonina wonyana baka-Zebedi.

57 Kwatî-ke kwakuhlwa, kweza umntu osityebi wase-Arimati, ogama lingu-Yosefu, owaye ngumfundi ka-Yesu naye.
58 Yena lowo waya ku-Pilato, wacela umzimbâ ka-Yesu. Waza u-Pilato watî makawunikelwe umzimbâ.
59 Ewutâbatîle-ke umzimbâ u-Yosefu, wawusongela kwi-linen entle emhlope.
60 Wawubeka kwelakê incwaba elitsha, abelixôle eweni; waqengqela ilitye elikûlu emnyango wencwaba-elo, wemka.
61 Baye-ke bekôna apô u-Mariya wase-Magadala nomnye u-Mariya, behleli pântsi malunga nencwaba.

62 Kekaloku ngengomso, eliyimini esemva kwaleyo yokulungiselela, bahlanganisana ababingeleli[1] abakûlu naba-Farisi ku-Pilato,
63 Besitî, Nkosi, sikûmbûle ukuba umlahlekisi lowa watî esahleli, Emveni kwentsuku ezintatû ndiya kuvuka.
64 Yitsho ngoko linqatyiswe incwaba kude kube lusuku lwesitâtû, hleze abafundi bakê beze ebusuku, bambê, batî-ke ebantwini, Uvukile kwabafileyo; luze olokugqibela ulahlekiso lube lubi kunolokuqala.
65 Watî-ke u-Pilato kubo, Ninabo abalindi; hambâni niye kunqabisa ngoko nazi ngako.
66 Baya-ke bona balinqabisa incwaba, ngokulitywina ilitye, bekunye nabalindi.

28 Kekaloku ekupêleni kwa-sabatâ, ekuseni ngolokuqala *usuku* lwe-veki, kweza u-Mariya wase-Magadala nomnye u-Mariya, beza kulikângela incwaba.
2 Kwasuka kwabakô unyikimo olukûlu; kuba kwakuhle isitûnywa se-Nkosi ezulwini, seza saliqengqa ilitye lesuka emnyango, sahlala pêzu kwalo.
3 Ukubonakala kwaso-ke kwaye kunjengombane, nesambâtô saso saye simhlope njengekêpu.
4 Ngokoyika sona-ke bangcangcazela abalindi, baba njengabafileyo.
5 Sapêndula-ke isitûnywa satî kubafazi abo, Musani ukoyika nina; kuba ndiyazi ukuba nifuna u-Yesu, lowo ubebetêlwe emnqamlezweni.
6 Akakô apâ; kuba uvukile, njengoko watshoyo; yizani, niyibone indawo apô ibilele kôna i-Nkosi.
7 Yiyani ngokukâuleza, nibaxelele abafundi bakê ukutî uvukile kwabafileyo; niyabona, uyanandulela ukuya kwelase-Galili; nombona kôn'apô. Yabonani, ndinixelele.
8 Bepûme kamsinya encwabeni, benokoyika nokuvuya okukûlu, bagidima baya kubabikela abafundi bakê.
9 Kekaloku xa baya kubabikela abafundi bakê, watî-tû u-Yesu wabahlangabeza, esitî, Vuyani. Beza-ke bambambâ ngenyawo, baqubuda kuye.
10 Aze atî u-Yesu kubo, Musani ukoyika; yiyani kubatyela abazalwana bam ukuba baye e-Galili; bondibona kôn'apô.

11 Bakubon'ukuba bayaya-ke, kwesuka kwafika abatîle babalindi kuwo umzi, babikela ababingeleli[1] abakûlu zonke izinto ezenzekileyo.
12 Batê bona, bakuhlanganisana namadoda amakûlu, bakubûnga, bawanika imali eninzi ama-soldati lawo,
13 Besitî, Zenitî, Abafundi bakê beza ngobusuku, bambâ silele.
14 Nokuba itê yavakala lento kwi-ʃuluneli, tîna soyitômalalisa, senze ningabi naxâla nina.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

15 Ayitâbatâ-ke imali-leyo, enza njengoko abexelelwe ngako. Laza elozwi laduma kuma-Yuda, kwada kwanamhla-nje.

16 Bahamba-ke abafundi abalishumi elinamnye baya kwelase-Galili, kulontaba wayebayalele yona u-Yesu.
17 Baza bakumbona baqubuda kuye; ke inxenye yatândabuza.
18 Weza u-Yesu watêtâ kubo, esitî, Linikwe mna lonke igunya ezulwini nasemhlabeni.
19 Hambâni ngoko niye kuzenz' abafundi zonke intlanga, nibabâptizela egameni lo-Yise, lo-Nyana, lo-Moya Oyingcwele.
20 Nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umtêtô ngazo; niya bona, mna ndinani yonke imihla kude kube sekupêlisweni kwepâkade-eli. Amen.

I-VANGELI

NGOKUBÂLWE

NGU-MARKO.

ISIQENDU I.

UKUQALEKA kwayo ivangeli ka-Yesu Kristu unyana ka-Tîxo;

2 Njengoko kubâliweyo eba-profetini, *kwatîwa:*

Yabona, mna nditûma umtûnywa wam ngapâmbî kobuso bakô,
Oya kuyilungisa indlela yakô pâmbî kwakô; u-Mal. 3, 1.

3 Izwi lodandulukayo entlango, *lisitî,*
Wulungiseni umendo we-Nkosi;
Zityenenezeni indlela zayo;
u-Yes. 40, 3.

4 Kwaye kukô u-Yohane ebâptiza entlango, evakalisa u-bâptizo lwenguquko ukuze kuxolelwe izono.
5 Laye lipûma lisiya kuye lonke ilizwe lakwa-Yuda nabase-Yerusalem; baye bonke bebâptizwa nguye e-Yordan emlanjeni, bezixela izono zabo.
6 Waye kekaloku u-Yohane ambêtê uboya ben-kamela, enombînqo wentlonze esinqeni sakê, abe-ke esidla inkumbî nobusi basendle.
7 Wayememeza, esitî, Emva kwam kuza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba nditôbe pântsi ndiwutûkulule nomtya wembâdada zakê.
8 Mna ndinibâptiza ngamanzi, ke yena uya kunibâptiza ngo-Moya Oyingcwele.

9 Kwatî ngalomihla kweza u-Yesu evela e-Nazarete yelase-Galili, wabâptizwa ngu-Yohane e-Yordan apô.
10 Utê kwa oko, akuba enyuka epûma emanzini, wawabona amazulu erazulwe. no-Moya enjengehobe esihla pêzu kwakê.
11 Kwabakô nezwi elipûma emazulwini, *lisitî,* Wena ungu-Nyana wam oyintânda, endikôlisiweyo nguye.

12 Utî kwa oko u-Moya umkûpêle entlango.
13 Waye esentlango apô intsuku ezimashumi mane, ehendwa ngu-Satana; waye ndawo-nye namafamncwa; zaye izitûnywa zezulu zimlungiselela.

14 Kekaloku emveni kokufakwa kuka-Yohane *entolongweni,* weza u-Yesu kwelase-Galili, evakalisa indaba ezilungileyo zobukumkani buka-Tîxo,
15 Esitî, Lizalisekile ixesha, nobukumkani buka-Tîxo busondele; gqukani, nikôlwe kuzo indaba ezilungileyo-ezi.

16 Utê-ke, ehambâ ngaselwandle lwase-Galili, wabona u-Simon no-Andreya u-

Digitized by Google

mzalwana wakê bepôsa inete elwandle; ngokuba bebe ngababambîsi bentlanzi.
17 Watî kubo u-Yesu, Yizani apâ nindilandele, ndonenza nibe ngababambîsi babantu.
18 Bayishiya kwa oko iminata yabo, bamlandela.
19 Uhambêle pâmbîli kancinane esuka apô, wabona u-Yakobi, lo ka-Zebedi, no-Yohane umzalwana wakê, besemkômbêni nabo, beyilungisa iminata yabo.
20 Wababiza kwa oko; bamshiya uyise u-Zebedi emkômbêni enabaqeshwa, besuka bamlandela.

21 Bangene e-Kapernahum. Engene kwa oko ngesabatâ endlwini yesikûngu, wafundisa.
22 Bakẘanqiswa kukufundisa kwakê; ngokuba ebebafundisa njengonegunya, enga*fundisi* njengabo ababâli.
23 Kwaye kukô endlwini yabo yesikûngu umntu onomoya oncôlileyo; wakâla,
24 Esitî, Yō! yinina enatî nawe, Yesu wase-Nazarete? uze kusitshabalalisa-na? Ndiyakwazi wena lowo unguye; ung-Oyingcwele ka-Tîxo.
25 Wawukâlimela u-Yesu, esitî, Yitîtu, upûme kuye.
26 Utê umoya oncôlileyo wambetâ wexẘenene; wakâla ngezwi elikûlu; wapûma kuye.
27 Baqîpuka umbilini bonke, ngokokude babuzisane, besitî, Yinto-nina lento? lemfundiso intsha yiyipîna? lento nomoya abancôlileyo aba abatêtêla ngegunya, bamlulamele.
28 Lwapûma-ke kwa oko udumo lwakê; lwaya kuwo wonke ummandla welase-Galili.

29 Kwa oko, bakupûma endlwini yesikûngu, bangena endlwini ka-Simon no-Andreya, beno-Yakobi no-Yohane.
30 Kekaloku, umkwêkazi ka-Simon wayelele esifa yicesina; bamxelela ngaye kwa oko.
31 Weza-ke kuye, wamvusa embambê ngesandla; yamyeka kwa oko icesina; wabalungiselela.

32 Kekaloku, kwakuhlwa, xa litshonayo ilanga, bazisa kuye bonke ababesifa nababepêtẘe zi-demon.
33 Waye umzi wonke uhlanganisene ndawo-nye emnyango apô.
34 Wapîlisa babaninzi ababesifa zizifo ngezifo; wakûpâ ne-demon ezininzi; waye engazivumeli i-demon ukuba zitêtê, kuba bezimazi.

35 Utê kusasa, kusemnyama kakûlu, wavuka, wapûma waya endaweni eyintlango, watândaza kôn' apô.
36 Bampûtûma o-Simon nabo babe naye.
37 Bemfumene batî kuye, Bonke bayakufuna.
38 Atî kubo, Masihambê siye emizini ekufupî, ukuze nakôna ndivakalise *indaba ezilungileyo*, kuba ndipûmele oko.
39 Wayevakalisa-ke ezindlwini zabo zesikûngu kulo lonke elase-Galili, ezikûpâ ne-demon.
40 Kweza kuye oneqênqa embongoza, esiwa ngamadolo pâmbî kwakê, esitî kuye, Ukuba uyatânda, unakô ukundihlambûlula.
41 U-Yesu, esikwe yimfesane-ke, wasolula isandla, wamcûkumisa, watî kuye, Ndiyatânda; hlambûluka.
42 Akutsho, lemka kwa oko kuye iqênqa, wahlambûluka.
43 Akuba emyalile kalukûni, wamkûpâ kwa oko,
44 Atî kuye, Lumka ungaxeleli bani nento-le; hamb' uye, kuzibonisa kumbingeleli,[1] usondeze ngenxa yokuhlanjululwa kwakô ezonto wamisa zona u-Moses, zibe bunqîna kubo.
45 Ke yena, akupûma, waqala ukuyivakalisa kakûlu nokuyibêngeza londawo, ngokokude angabi sabi nakô *u-Yesu* ukungena mzini ekuhleni; waba ngapândle ezindaweni ezizintlango; babesitî beze kuye bevela ngenxa zonke.

2 Kwakuba ntsuku wabuya wangena e-Kapernahum; kwavakala ukuba usekâya.
2 Kwa oko kwahlanganisana into eninzi yabantu, ngokokude kungabi sabikô kukwêlelana nakulemimandla isemnyango; wayelitêtâ-ke kubo ilizwi.
3 Kufikē kuye abantu bezisa onedumbê, etẘelwe ngabane.
4 Bakuba benge nakusondela kuye ngenxa yendimbâne, banqika entungo apô

[1] Umenzeleleli kwi-Test, endala ngokuuye um-priste.

Digitized by Google

abe kôna; bakuba begqobozile, baluhlisa ukûko abelele kulo lowo unedumbê.

5 Akulubona-ke u-Yesu ukôlo lwabo, watî konedumbê, Mntwanam, uzixolelwe izono zakô.

6 Kwaye-ke kukô apô ababâli abatîle behleli, becamanga ezintliziyweni zabo, *besitî*,

7 Yinina ukuba lo enje nje ukutêtâ izinyeliso? Ngubanina onakô ukuxolela izono, mnye kwapêla, ngu-Tîxo?

8 Eqiqe kwa oko u-Yesu ngomoya wakê ukuba benje njalo ukucamanga ngapâkatî kwabo, watî kubo, Yinina ukuba nicamange ezizinto ezintliziyweni zenu?

9 Okôna kulula kukupîna: kukô ukutî konedumbê, Uzixolelwe izono; kukô nokutî, Vuka, utâbatê ukûko lwakô, uhambê?

10 Ke ukuze nazi ukuba unalo igunya u-Nyana womntu lokuxolela izono emhlabeni apa, utî konedumbê,

11 Nditî kuwe, Vuka, utâbatê ukûko lwakô, uye endlwini yakô.

12 Wavuka kwa oko, walutâbatâ ukûko, wapûma pâmbî kwabo bonke, ngokokude batî-nqa bonke bamzukise u-Tîxo, besitî, Asizanga sikubone okunje.

13 Wabuya wapûma waya ngaselwandle, yaye yonke indimbâne isiza kuye; wayebafundisa.

14 Watî edlula wabona u-Levi, lo ka-Alifeyu, ehleli endawenî ye-fafu; atî kuye, Ndilandele. Wesuka wamlandela.

15 Kwatî, ekuhlaleni kwakê ngasesitêbeni endlwini yakê, kwahlala nento eninzi yababutî be-fafu naboni ndawo-nye no-Yesu nabafundi bakê; kuba bebe baninzi, baye-ke bemlandela.

16 Baye ababâli kwa naba-Farisi, bakumbona esidla ndawo-nye nababutî be-fafu naboni, besitî kubafundi bakê, Yinina ukuba adle asele nababutî be-fafu naboni?

17 Ekuvile-ke *oko* u-Yesu, wati kubo, Akufuneki gqîfa kwabapîlileyo, *lifuneka* kwabafayo. Andize kubiza malungisa, ndizê kubiza aboni ukuba baguquke.

18 Baye abafundi baka-Yohane nababa-Farisi bezila ukudla; beze batî kuye, Kunganina ukuba abafundi baka-Yohane nababa-Farisi bazile ukudla, kanti-ke abakô abafundi abakuzili bona?

19 Watî u-Yesu kubo, Banakô yinina abegumbî lomtshakazi ukuzila ukudla, xa anabo umyeni? logama wonke asekubo umyeni, abanakô ukuzila ukudla.

20 Ke kofika mihla awoza asuswe kubo umyeni; baya kwandula-ke ukuzila ngalomihla.

21 Akukô utûngela isiziba somcâko omtsha engutyeni endala; okanye-ke eso sifakiweyo, sitsha, sorazula kuyo endala, sibe sibi ngokunye isiroba.

22 Kanjalo akukô utâ i-wayini entsha ezintsubeni ezindala; okanye i-wayini, leyo intsha, yozigqabuza intsuba, ipâlale i-wayini, zitshabalale nentsuba; yona i-wayini entsha imelwe kukutîwa ezintsubeni ezintsha.

23 Kwatî ehambâ ecanda emasimini ngesabatâ; baqala abafundi bakê ukuhambâ besikâ izikwebu.

24 Baye besitî kuye aba-Farisi, Kângela, yinina ukuba benze ngemini ye-sabatâ oko kungavumelekileyo?

25 Watî yena kubo, Anizange niyilesena into awayenzayo u-Davide, oko wayeswele elambîle nokulambâ, yena nabo babe naye?

26 Okokuba wangena endlwini ka-Tîxo ngexesha lika-Abiyatare umbingeleli[1] omkûlu, wazidla izonka ezibekwe pâmbi *ko-Tîxo*, ezo kungavumelekileyo ukuba zidliwe ngabo bange babingeleli,[1] waniku nabo babe naye?

27 Wayesitî kubo, I-sabatâ-le yabakô ngenxa yomntu, asingumntu owabakôyo ngenxa ye-sabatâ.

28 Ngoko-ke u-Nyana womntu lo uyinkosi yayo ne-sabatâ.

3 Wabuya wangena endlwini yesikûngu. Kwaye kukô apô umntu onesandla esomileyo.

2 Baye bemlalele, ukuba wompîlisa-na nge-sabatâ; ukuze bammangalele.

3 Atî kulomntu unesandla esomileyo, Pâkama uze pâkatî.

4 Atî kubo, Okuvumelekileyo nge-sabatâ kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi kusinina? kusindisa, kubulala kusinina? Ke bahlala batî-tû.

5 Akuba ebasingasingile ngengqumbô, ebuhlungu ngenxa yokuqaqadeka kwentliziya zabo, utî kumntu lowo, Solule issa-

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-prista.

Digitized by Google

ndlâ sakô. Wasolula, sabuya sapîla-ke isandla sakê sakwanjengesinye.
6 Bapûma aba-Farisi, benza kwa oko ibûnga nama-Herode ngaye lokuba bamtshabalalise.

7 Wemka u-Yesu nabafundi bakê waya elwandle; yamlandela inkita eninzi ivela kwelase-Galili, nakwelakwa-Yuda,
8 Nase-Yerusalem, nakwelakwa-Idume,[1] napésheya kwe-Yordan; nabo bangase-Tire nabase-Tsidon, inkita eninzi, batî, bakuva izinto ezinkulu abezenza, beza kuye.
9 Watî kubafundi bakê, umkônjana mawuhlale umlindile ngenxa yendimbâne, ukuze bangamxini.
10 Kuba wapîlisa babaninzi, ngokokude bengunga pêzu kwakê, ukuze bamcûkumise bonke ababe nezibetô;
11 Nabo omoya abancôlileyo babesitî, xa sukuba bembona, bawe pântsi kuye, bakâle, besitî, Unguye wena u-Nyana ka-Tîxo.
12 Wayebakâlimela kakûlu ukuba bangamtŷili.

13 Utî-ke anyuke intaba abizele kuye abo abetânda *ukuba*biza yena ngokwakê; besuka beza kuye.
14 Wadala balishumi elinababini, ukuze babe naye, nokuze abatûme baye kuvakalisa *ubukumkani buka-Tîxo*,
15 Babe negunya lokuzipîlisa izifo, nelokuzikûpâ i-demon.
16 Yangu-Simon, wamtîya igama elingu-Petros;
17 Yangu-Yakobi lo ka-Zebedi, no-Yohane umzalwana ka-Yakobi, watî bona wabatîya amagama okuba-Bowanerges, oko kukutî ngabendudumo;
18 Yangu-Andreya, no-Filipu, no-Bartolomeyu, no-Mateyu, no-Tomas, no-Yakobi lo ka-Alifeyu, no-Tadeyu, no-Simon Kanan,
19 No-Yuda Sikariyoti, owamnikelayo nokumnikela.

20 Beze ekâya; kubuye kubutêlane indimbâne, ngokokude bangabi nakô nokudla isonka.
21 Bevile abakowabo, bapûma beya kumbâmbâ; kuba bebesitî, Uyageza.
22 Baye bona ababâli ababehle bevela eYerusalem besitî, Uno-Belezebule; besitî, I-demon ezi uzikûpâ ngaye umpâtî wedemon.
23 Utê ebabizele kuye watêtâ nabo ngemizekeliso, esitî, Angatî-nina u-Satana ukukûpâ u-Satana?
24 Nobukumkani, ukuba butê bahlulelana bodwa, abunakô ukuma obobukumkani;
25 Nendlu, ukuba itê yahlulelana yodwa, ayinakô ukuma londlu;
26 No-Satana, ukuba utê wazicâsa ngokwakê, wahlulelana yedwa, akanakô ukuma, upêlile.
27 Akukô unakô ukutî impahla yegofa angene endlwini yalo ayipânge, ukuba akatânga tanci alibopê igofa-elo, andul' ukuyipânga indlu yalo.
28 Inene nditi kuni, Zonke izono baya kuzixolelwa onyana babantu, kwa nezinyeliso abasukuba benyelisa ngazo;
29 Ke yena otê wanyelisa u-Moya Oyingcwele akanakô ukuxolelwa napâkade, unetyala lokugwetywa okungunapâkade.
30 *Watsho*, kuba bebesitî, Unomoya oncôlileyo.

31 Bafika-ke kaloku abazalwana bakê nonina; batî, bemi ngapândle, batûmela kuye bembiza.
32 Yaye indimbâne ihleli impâhlile; batî kuye, Nanku unyoko nabazalwana bakô ngapândle bekufuna.
33 Wabapêndula esitî, Ngubanina umâ? ngobanina nabazalwana bam?
34 Akuba ebasingasingile ngenxa zonke ababehleli bempâhlile, utî, Nanku umâ nabazalwana bam.
35 Kuba otê wakwenza ukutânda kuka-Tîxo, lowo ngumzalwana wam, nodade wetû, nomâ.

4 Wabuya waqala ukufundisa ngaselwandle; kwahlanganisana kuye indimbâne enkulu, ngokokude aye kungena emkômbêni, ahlale elwandle yena; yabe yonke indimbâne isemhlabeni ibêke elwandle apô.
2 Wayebafundisa indawo ezininzi ngemizekeliso; ubesitî kubo eku*ba*fundiseni kwakê;
3 Pûlapûlani; yabonani, umhlwayeli wapûma waya kuhlwayela;
4 Kwatî ekuhlwayeleni kwakê inxalenye

[1] Makwa-Edom.

Digitized by Google

yembêwu yawa ngasendleleni, zeza intaka zezulu zayidla zayigqiba.
5 Enye yawa endaweni elulwalwa, apô ibinge namhlaba mninzi; yantshula-ke kwa oko ngenxa yokuba ibinge nabunzulu bamhlaba;
6 Itê-ke, lakupuma ilanga, yatsha, yatî ngenxa yokuba inge nangcambu yoma kwapêla.
7 Yimbî yawa emitâneni enameva; yakûla imitâna enameva yayiminxa; ayanika siqâmo.
8 Yimbî yawa kuwo wona umhlaba omhle, yanika isiqâmo esakûlayo sacûma, yatẘala amashumi amatâtû enye, namashumi amatândatû enye, nekûlu enye.
9 Watî kubo, Lowo unendlebe zokuva makeve.

10 Kekaloku xa abeyedwa, abo babempâhlile ndawo-nye nabalishumi elinababini bambuza umzekeliso lowo.
11 Watî kubo, Nikupîwe nina ukuyazi imfihlelo yobukumkani buka-Tîxo; ke kwabo bangapândle zonke izinto-ezi zibakô ngemizekeliso;
12 Ukuze bebona-nje babone bangaqiqi, besiva-nje beve bangaqondi, hleze babuye, zebaxolelwe izono zabo.
13 Atî kubo, Aniwazi-na lomzekeliso? Notî-nina-ke ukuyazi imizekeliso yonke?
14 Umhlwayeli-lo uhlwayela ilizwi.
15 Abo-ke bangasendleleni, apô ilizwi lihlwayelwa kôna, ngaba, kutî, xa batê beva, afike kwa oko u-Satana, alitâbatê ilizwi elihlwayelweyo ezintliziyweni zabo.
16 Ngokunjalo abo bahlwayelwayo ezindaweni ezilulwalwa ngabatî, xa batê baliva ilizwi, balamkele kwa oko bevuya;
17 Babe benge nangcambu ngapâkatî kwabo, beme umzuzwana kodwa; batî kamva, kwakuhla imbândezelo, nokuba yintshutshiso ngenxa yelizwi, bakûtyekiswe kwa oko.
18 Abo bahlwayelwayo emitâneni enameva ngaba, batî balive ilizwi;
19 Aze amaxâla elipâkade nokulukuhla kobutyebi nenkanuko zezinye izinto zingene ziliminxe ilizwi, lisuke lingabi nasiqâmo.
20 Abo bahlwayelweyo kuwo umhlaba omhle ngaba, basakuti balive ilizwi balamkele, baxakatê isiqâmo, omnye amashumi amatâtû, omnye amashumi amatândatû, nomnye ikûlu.

21 Wayesitî kubo, Isibane-esi sikê siziswe ukuze sibekwe ngapântsi kwesitya yinina, nokuba kupântsi kwesinqênqêlo, asiziswa-na ukuze sibekwe esipâtẘeni saso?
22 Kuba akukô nto ifihlakeleyo ingayi kubonakaliswa; kananjalo akubangakô nto ifihliweyo *ingafihlelwa* ukuba ize ekuhleni.
23 Ukuba ubani unendlebe zokuva makeve.
24 Wayesitî kubo, Yilumkeleni into eniyivayo; umlinganiselo enilinganisela ngawo niya kulinganiselwa ngawo nani, kongezwe kuni nina nivayo.
25 Kuba osukuba enakô uya kunikwa, nongenakô uya kuhlutẘa kwa noko anakô.

26 Wayesitî, Ubukumkani buka-Tîxo bunjengokuba abengatî umntu apôse imbêwu emhlabeni;
27 Aze alale avuke ubusuku nemini, ibe imbêwu intshula ikûla ngohlobo angalwaziyo.
28 Kuba umhlaba uvelisa iziqâmo ngokwawo, kuqala ibe likaba, ize ibe sisikẘebu, ize ibe yinqôlowa ezalisekileyo esikẘebini;
29 Atî ke, xa sitê savutẘa isiqâmo, alifake kwa oko iŕengqa, ngokuba sekusondele ukuvuna.

30 Wayesitî, Siya kubufanekisa nantonina ubukumkani buka-Tîxo? siya kubuzekelisa ngamzekeliso mnina?
31 Bunjengokôzo lwe-mostade; lona lutî, xa sukuba luhlwayelwa emhlabeni, lube luloluncinane kuzo zonke imbêwu ezisemhlabeni;
32 Lutî-ke xa lutê lwahlwayelwa, lukûle lube lukûlu kuyo yonke imifuno, lwenze amasebe amakûlu, ngokokude intaka zezulu zibe nakô ukuhlala pântsi komtûnzi walo.

33 Wayelitêtâ kubo ilizwi ngemizekeliso emininzi enjalo, njengoko bebe nakô ukuva.
34 Ubengatêtî-ke kubo kunge ngamzekeliso; ke ubesitî, bakuba bodwa, abacombûlulele indawo zonke abafundi bakê.

35 Atî kubo kwa ngalomini kwakuhlwa, Masiwele siye ngapêsheya.

Digitized by Google

36 Beyindulule indimbâne, bamtâbatâ esemkômbêni njalo; kwaye-ke bekukô eminye imikônjana inaye.

37 Kwabakô uqwitêla olukûlu lomoya, aye-ke amaza epôseka emkômbêni, abetâ wafun'ukuzala kwa ngoku.

38 Waye yena esesinqeni somkômbê elele ubutôngo pezu komqamelo; bamvuse, batî kuye, Mfundisi, akukâtâli-na sitshabalala-nje?

39 Wavuka wawukâlimela umoya, watî kulo ulwandle, Hlal' utî-tu, utî-cwaka! Wadambâ umoya, kwabakô ukuzola okukûlu.

40 Watî kubo, Yinina ukuba nibe nje ukuba ngamagwala? kutê-nina lento ninge nalukôlo?

41 Boyika ngoloyiko olukûlu, batshono ukutî, Ngubanina-ke lo, lento alulanyelwa nangumoya nalulwandle?

5 Bafika pêsheya kolwandle kummandla wabase-Gadara.

2 Akuba epûmile emkômbeni, wahlangatyezwa kwa oko ngumntu onomoya oncôlileyo epûma emancwabeni,

3 Obehlala emancwabeni apô. Kwaye kungekô bani ube nakô ukumbopâ nangemixokelelwane;

4 Ngenxa yokuba wayebotshwe futî ngamakâmandela nangemixokelelwane, asuke ayijace yena imixokelelwane, awafoboze namakâmandela; kwaye kungekô bani unamandla okumdambîsa.

5 Abe ehlala ubusuku nemini esezintabeni nasemancwabeni, ekâla ezijeca ngamatye.

6 Utê-ke, akumbona u-Yesu ekude, wagidima, waya waqubuda kuye,

7 Wakâla ngezwi elikûlu, watî, Yinina enam nawe, Yesu, Nyana ka-Tîxo Osenyangweni? ndiyakufungisa u-Tîxo ukuba ungandititûmbîsi.

8 Kuba ebetê kuye, Pûma emntwini apô, moyandini uncôlileyo.

9 Wayembuza *esitî*, Ungubanina wena igama? Wapêndula esitî, Ngu-Mkosi igama lam; kuba sibaninzi.

10 Waye-ke embongoza kakûlu ukuba angabandululi bemke kwelozwe.

11 Bekukô-ke apô ngasezintabeni ugxuba olukûlu lwehangu lusidla.

12 Zambongoza zonke i-demon, zisitî, Sitûmele ezihangwini, ukuze singene kuzo.

13 Wazivumela kwa oko u-Yesu. Bapûma-ke omoya abancôlileyo, baya kungena ezihangwini; lwaza ugxûba lwapâpâteka, lwehla eweni, lwela elwandle; zaye-ke *ihangu-ezo* ngatî zimawaka mabini; zafaxwa elwandle apô.

14 Batê-ke abo babezalûsa ihangu basaba, babika ekâya nasemapândleni. Bapûma-ke baya kuyibona lonto ihlileyo ukuba iyinto-nina.

15 Bafike ku-Yesu, bambone obepêtwe zi-demon lowo-ke waye nomkosi, ehleli, ambâtîsiwe, enengqondo epîlileyo; baza boyika.

16 Abo babeyibonile *lento* babacokisela, ukuba kutêke-nina kobepêtwe zi-demon; kwa nokwehangu.

17 Baqala ukumbongoza ukuba emke emideni yabo.

18 Akubon' ukuba ungene emkômbêni, watî lowo ubepêtwe zi-demon wambongoza ukuba abe naye.

19 Kodwa u-Yesu akamvumelanga, usuke watî kuye, Hamb' uye endlwini yakô kwabakowenu, ubabikele oko zingako ukuba zinkulu izinto ekwenzele zona i-Nkosi, yaba nenceba engaka kuwe.

20 Wemka waqala ukuzivakalisa e-Dekapolî oko zingako ukuba zinkulu izinto u-Yesu abemenzele zona; bamangaliswa bonke.

21 Kekaloku, akubon' ukuba u-Yesu uwelile ngomkômbê, wabuya weza kwelinye icala, kwahlanganisana kuye indimbâne enkulu; waye engaselwandle apô.

22 Kubonakale kusiza omnye wakubapâtî bendlu yesikûngu, ogama lingu-Yayiro; atî akumbona awe ezinyaweni zakê,

23 Ambongoze kunene, esitî, Intombâzana yam isindekile; kâuze uzibeke izandla pêzu kwayo, ukuze isindiswe; yopîla.

24 Wesuka wahambâ naye; yaye indimbâne enkulu imlandela imxinile.

25 Intokazi etîle, eyayi netômbô legazi iminyaka elishumi elinamibini,

26 Eyayive ubunzima obuninzi kumagqifa amaninzi, eyayidleke konke ebi nakô, ingasizakali luto, iman' ukuba mandundu;

27 Yatî yakuva ngaye u-Yesu, yeza pâkatî kwendimbâne ngasemva, yayicûkumisa ingubo yakê;

Digitized by Google

28 Kuba ibisitî, Ukuba nditê ndacûkumisa nengubo zake ezi, ndosindiswa.
29 Watsha kwa oko umtômbô wegazi layo; yeva emzimbeni wayo ukuba ipîlisiwe kwesosibetô.
30 U-Yesu, etê kwa oko wawazi ngapâkatî kwakê amandla apûme kuye, wajika esendimbâneni, watî, Ngubanina ocûkumise ingubo zam?
31 Batî kuye abafundi bakê, Ubona-nje ukuba indimbâne ikuxinile, utsho-na ukutî, Ngubanina ondicûkumisileyo?
32 Wasingasinga ukuba ambone lowo uyenzileyo lento.
33 Itê-ke intokazi-leyo isoyika igubâ, ikwazi oko kwenzekileyo kuyo, yeza yawa pântsi kuye, yamxelela inyaniso yonke.
34 Watî-ke kuyo, Ntombî yam, ukôlo lwakô lukusîndisile; hambâ unoxolo, pîla kwesosibetô sakô.
35 Kutî esatêtâ yena, kufike abakulompâtî wendlu yesikûngu, besitî, Intombî yakô ifile, usamkâtâzela-nina umfundisi?
36 Aze kwa oko u-Yesu, elivile elozwi litêtwa, atî kumpâtî wendlu yesikûngu, Mus' ukoyika, kôlwa kodwa wena.
37 Akavumela mntu ukuba alandelane naye, kwakûpêla yangu-Petros no-Yakobi no-Yohane umzalwana ka-Yakobi.
38 Afike endlwini yompâtî wendlu yesikûngu, abone isipîtîpîtî, abalilayo nabenza isijwili esikûlu.
39 Akungena atî kubo, Yinina ukuba nipîtîzele nilile? akafile umntwana, ulele.
40 Basuka bamwa ngentsini. Atî akubakûpâ bona bonke, amtâbatê uyise womntwana nonina nabo babe naye, angene apô wayelele kôna umntwana.
41 Ambambê ngesandla umntwana, atî kuye, Talita, kumi; oko kukutî, ngentetô evakalayo, Ntômbâzana, nditî kuwe, Vuka.
42 Yavuka kwa oko intômbâzana-leyo, yahambahambâ; kuba ibi minyaka ilishumi elinamibini izelwe. Batî-nqa ngokutînqa okukûlu.
43 Wabayala kakûlu ukuba kungaziwa mntu oku; watsho nokutî, Mayipîwe idle.

6 Wapuma apô-ke, weza kwelakowabo; bamlandele abafundi bakê.
2 Utê kwakubakô i-sabatâ, waqala ukufundisa endlwini yesikûngu; baza abaninzi bakuva bakwanqiswa, besitî, Lo uzizuze pîna ezizinto? bubulumko bunina obu abunikiweyo, lento nemisebenzi yamandla enjengalé yenzekayo ngezandla zakê?
3 Lo akayiyo-na incîbi yokwakâ, unyana ka-Mariya, umzalwana-ke ka-Yakobi no-Yose no-Yuda no Simon? nodade bakê abakutî apâ-na? Baye bekûbeka kuye.
4 Wayesitî-ke u-Yesu kubo, Um-profeti akasweli mbêko, kungaba kukowabo, nakwizizalwana zakê, nakokwabo.
5 Wayenge nakô ukwenza namnye umsebenzi wamandla kôn' apô, kwakupêla ukubeka izandla pêzu kwemilwelwe embâlwa, wayipîlisa.
6 Wamangaliswa kukungakôlwa kwabo.

Wayeyihambâhambâ imizana ejikelesa, efundisa.

7 Ubabizele kuye abalishumi elinababini, waqala ukubatûma ngababini ngababini; wayebanika igunya komoya abancôlileyo;
8 Wabatêtêla ngelitî mabangapâtî nto yandlela, ibe ngumsimelelo wodwa; bangapâtî nxôwa nasonka namali embînqweni;
9 Batî kodwa banxibe izixatûla; bangambâtî nengubo zangapântsi ngambîni.
10 Wayesitî kubo, Apô nitê nangena endlwini, hlalani kôna nide nimke kulondawo.
11 Abo sukuba benganamkeli, benganiva nokuniva, nakupûma kulondawo, vutûlulani utûli olupântsi kwenyawo zenu, kube bunqîna *oko* kubo. Inene nditî kuni, Koba nokunyamezeleka okwe-Sodom ne-Gomora ngomhla womgwebo kunokwalomzi.
12 Bapûma bavakalisa ukuba mabaguquke *abantu*.
13 Bakûpâ ne-demon ezininzi, bayitâmbîsa nge-oli imilwelwe emininzi beyipîlisa.

14 Kekaloku wakuva *oko* ukumkani u-Herode; (kuba igama lakê lalitê ladumal, wayesitî, Uvukile kwabafileyo u-Yohane umbâptizi, ngenxa yoko lemisebenzi yamandla iyenzeka ngaye.
15 Baye abanye besitî, Ngu-Eliya; baye-ke abanye besitî, Ngum-profeti, nokuba ufana nomnye wakuba-profeti.
16 Ekuvile-ke oko u-Herode watî, Lo

Digitized by Google

ngu-Yohane, lowa ndamnqamla intloko mna; uvukile kwabafileyo.

17 Kuba u-Herode ngokwakê wabetê watûma, wambambâ u-Yohane, wambopâ entolongweni ngenxa ka-Herodiya, umfazi ka-Filipu umzalwana wakê, kuba ebemzekile.

18 Kuba wayesitî u-Yohane ku-Herode, Akuvumelekile ukuba ube nomfazi womzalwana wakô.

19 Kekaloku u-Herodiya waba nenqala ngakuye, wafuna ukumbulala; kodwa akabanga nakô;

20 Kuba u-Herode wayemoyika u-Yohane, emazi ukuba uyindoda elilungisa engcwele, wayemgcinile; wayesitî-ke akumva enze indawo ezininzi, amve kamnandi.

21 Kwatî, kwakufika umhla owalungelayo *u-Herodiya*, xeshikweni u-Herode ngemini yokuzalwa kwakê wayezenzela isidlo izidwangube zakê nabatêtêli-waka namanene elase-Galili,

22 Yakubon' ukuba ingene intombî ka-Herodiya lowo, yangqungqa, yamkôlisa u-Herode nabo babehleli ndawo-nye naye, watî ukumkani kwinkakazana-leyo, Ndicele into osukuba uyitânda, ndokupâ.

23 Wayifungela ngelitî, Into otê wayicela kum ndokupâ, kude kube kwisiqingatâ sobukumkani bam.

24 Ipûmile-ke yatî kunina, Ndicele ntonina? Watî-ke yena, Intloko ka-Yohane um-bâptizi.

25 Yeza kungena kwa oko ngokunxâma kuye ukumkani, yacela, isitî, Nditânda ukuba undinike kaloku-nje ngesitya intloko ka-Yohane um-bâptizi.

26 Waba buhlungu kakûlu ukumkani; *noko*, ngenxa yezifungo zakê, nangenxa yabo babehleli ndawonye naye, akatândanga kuyilandulela.

27 Utê kwa oko ukumkani wasusa umnqumli, wamtêtêla ngelitî mayiziswe intloko yakê. Wesuka waya-ke lowo, wamnqumla intloko entolongweni,

28 Wayizisa intloko yakê ngesitya, wayinika inkakazana-leyo; yaza inkakazana yayinika unina.

29 Bekuvile *oko* abafundi bakê, beza basitâbatâ isidûmbû sakê, basibeka encwâbeni.

30 Bahlanganisane aba-postile ku-Yesu, bambikela into zonke, ezo babezenzile, kwa nezo babezifundisile.

31 Watî kubo, Yizani nina ngasese kwindawo eyintlango, nipûmle kancinane; kuba bebaninzi abezayo nabemkayo; babenge nalo-ke netûtyana lokuba badle.

32 Bemka ngomkômbê ngasese, baya kwindawo eyintlango.

33 Indimbâne yababona besimka, batî abaninzi bamazi, babalekela kôna ngenyawo bevela kuyo yonke imizi, babapângela, batûtêlana kuye.

34 Utê-ke akupûma u-Yesu wabona indimbâne enkulu; wasikwa yimfesane ngabo, ngokuba bebe njengezimvu ezinge namalûsi; waqala ukubafundisa indawo ezininzi.

35 Kutî kwakubon' ukuba seyihambîle kakûlu imini, beze kuye abafundi bakê, batî, Lendawo iyintlango, nemini seyihambîle kakûlu;

36 Bandulule bemke baye emapândleni ajikelezileyo nasemizaneni, bazitêngele izonka; kuba benge nanto bangayidlayo.

37 Wapêndula watî kubo, Bapêni nina badle. Batî kuye, Simke-na siye kutênga izonka nge-denariyo ezimakûlu mabini, sibapê badle?

38 Utî-ke yena kubo, Izonka eninazo zingapîna? hambâni niye kukângela. Besazi batî, Zihlanu, nentlanzi ezimbîni.

39 Wabatêtêla ngelitî mabahanqênqîse bonke babe ziziqû ngeziqû encêni eluhlaza.

40 Bahlala pântsi bezingcambâ ngengcambâ ezingamakûlu nezingamashumi ngamahlanu.

41 Wazitâbatâ izonka zozihlanu nentlanzi zombîni, watî ekângele ezulwini wasikelela, waziqêkeza izonka, wanika abafundi bakê ukuba babeke pâmbî kwabo; watî nentlanzi zombîni wazabela bona bonke.

42 Badla-ke bonke bahluta.

43 Baza basusa izitya zizele ngamaqêkeza zalishumi elinazibini, *basusa* nakwintlanzi.

44 Baye abo babezidla izonka-ezo bekumawaka omahlanu amadoda.

45 Wabanyanzela kwa oko abafundi bakê ukuba bangene emkômbêni, bamandulele baye ngapêsheya e-Betesayida, loga ama ayindululayo indimbâne yena;

46 Akuba ebulisene nabo wemka waya kutândaza entabeni.

47 Kekaloku kwakuhlwa umkômbê u-

Digitized by Google

bupâkati elwandle, waye yena eyedwa emhlabeni.

48 Wababona bebulaleka ekuqûbeni; kuba umoya ububavele ngapâmbîli. Atî ngolwesine ulindo lobusuku eze kubo, ehambâ pêzu kolwandle; wanga uza kugqita kubo.

49 Batî-ke, bakumbona ehambâ pêzu kolwandle, baba ngumshologu, bakâla;

50 Kuba bonke bambona, bakâtâzeka. Watêtâ kwa oko nabo, watî kubo, Yomelelani; ndim; musan' ukoyika.

51 Wenyuka waya kubo emkômbêni, wadambâ umoya. Batî-nqa ngapâkatî kwabo ngokuncamisileyo kunene, bamangaliswa;

52. Kuba bengakuqondanga okwezonka; kuba intliziyo yabo yabiqaqadekile.

53 Bakupûmela, bafika ezweni lase-Genesarete, batsalela elunxwemeni.

54 Bakupûma emkômbêni, bamazi kwa oko,

55 Bawubaleka wonke lommandla, baqala ukubatwala ngenkuko abafayo, bebasa apô babemva ukuba ukôna.

56 Nalapô sukuba ebengena kôna, nokuba kusemzaneni, nokuba kusemzini, nokuba kusemapândleni, babesitî bababeke abafayo ezindaweni zembutô,. bambongoze ukuba kêbacûkumise intshinga yengubo yakê. Baye-ke besindiswa abasukuba bemcûkumisa.

7 Kwahlanganisana kuye aba-Farisi, nabatîle kubabâli, bevela e-Yerusalem.

2 Batî, bakubona abatîle kubafundi bakê besidla isonka ngezandla ezizinqambî, oko kukutî ngezingahlanjwanga, basuka basola.

3 Kuba aba-Farisi nama-Yuda onke abadli, ukuba abakânga bazihlambê izandla kunene, bebambê isitêtê samanyange.

4 Nokuba *bavela* endaweni yembutô, abadli bengakânga bahlambê; zikô nezinye izinto ezininzi, abazamkele ukuba bazibambê, *ezinjenge*ntlambô zendebe nebêkile nezitya zobêdu nezinqênqêlo.

5 Bandule bambuze aba-Farisi nababâli, *besitî*, Kunganina ukuba abafundi bakô bangahambî ngokwesitêtê samanyange, lento badla isonka ngezandla ezingahlanjwanga?

6 Wapêndula-ke watî kubo, Watyapa u-Yesaya ukuprofeta ngani, bahanahanisi, njengokuba kubâliwe *kwatîwa*:

Ababantu bandibeka ngomlomo,
Kanti yona intliziyo yabo ikude lê kum.

7 Bafumana-ke bendihlonela
Befundisa imfundiso eziyimitêtô yabantu. u-Yes. 29, 13.

8 Kuba nitî, niwuyeka oka-Tîxo umtêtô, nibambê isitêtê sabantu esinjengentlambo ze-bêkile nendebe; naye nizenza nezinye izinto ezininzi ezinjengezo.

9 Wayesitî kubo, Natyapa kambê niwutshitshise umtêtô ka-Tîxo, ukuze nisigcine isitêtê senu.

10 Kuba u-Moses watî: Beka uyihlo nonyoko; *watî* kanjalo: Omtêtêla kakubi uyise nokuba ngunina makafe ukufa;

11 Ke nina nitî, Ukuba umntu utê kuyise nokuba kukunina, Ingumsondezo, oko kukutî, ingumnikelo ku-Tîxo, into onge uba uncedwa ngayo ndim, *ukôlisite*.

12 Ningabi samvumela ukuba amenzele nto nokuba nguyise nokuba ngunina;

13 Nilipânga igunya ilizwi lika-Tîxo ngesitêtê senu enasinikelayo; naye nizenza izinto ezininzi ezinjengezo.

14 Wayibizela kuye yonke indimbâne, watî kubo, Pûlapûlani kum nonke, nqonde:

15 Akukô nto ingapândle komntu etî ingena kuye ibe nakô ukumenza inqambî; zizinto ezipûmayo kuye, ezimenza inqambî umntu.

16 Ukuba ubani unendlebe zokuva makeve.

17 Baye-ke, xa ebengene endlwini evela kuyo indimbâne, bembuza abafundi bakê umzekeliso-lowo.

18 Atî kubo, Nikwanje nani-na ukuswela ingqondo? Aniqiqi-na, ukuba konke okungapândle okutî kungene emntwini akunakô ukumenza inqambî?

19 Ngokuba kungangeni kôna entliziyweni yakê, kungena esiswini; ize kupûme kuye endaweni esese, ezihlambûlulayo zonke izidlo.

20 Wayesitî-ke, Into epûmayo emntwini yiyo leyo emenza inqambî umntu;

21 Kuba ngapâkatî, kuyo intliziyo yomntu, kupûma izicamango ezibi, okuxexeza, omibulo, okubulala,

22 Obusela, okubawa, okungendawo, inkohliso, ubuxeletyo, umona, ukunyelisa, ukuxatsha, ukuswel' ukuqonda;

Digitized by Google

23 Zonke ezizinto zingendawo zipûma ngapâkatî, zimenze inqambî umntu.

24 Esukile apô-ke waya emideni yase-Tire neyase-Tsidon. Wangena endlwini, wanga akungaziwe mntu; akaba nakô ukufihlakala noko;
25 Kuba yatî yakumva intokazi entombâzana ibi nomoya oncôlileyo, yafika yawa ezinyaweni zakê;
26 Yaye kekaloku intokazi-leyo ingum-Grikekazi, um-Sirofenisikazi ngokuzalwa; yacela kuye ukuba ayikûpê i-demon entombîni yayo.
27 Utê-ke u-Yesu kuyo, Kâuyeke kuhlute abantwana kuqala; kuba akukuhle ukusitâbatâ isonka sabantwana, sipôswe ezinjaneni.
28 Yapêndula-ke yatî kuye, Ewe, Nkosi; kuba nazo injana pântsi kwe-tafile zidla kwimvutûluka zabantwana.
29 Watî kuyo, Ngenxa yelozwi hambâ; i-demon ipûmile entombîni yakô.
30 Yesuka yaya endlwini yayo, yafumana ipûmile i-demon, intombî ilele pêzu kwesinqênqêlo.

31 Utê wabuya wapûma emideni yase-Tire neyase-Tsidon, weza kulwandle lwase-Galili, ecanda pâkatî kwemida yase-Dekapoli.
32 Bazise-ke isitûlu esitîntitâyo, bambongoze ukuba abeke isandla pêzu kwaso.
33 Wasishenxisa endimbâneni sasodwa, wafaka iminwe yakê ezindlebeni zaso, watî etshicile wacûkumisa ulwimi lwaso,
34 Wakângela ezulwini, wancwina, watî kuso, Efata, oko kukutî, Vuleka.
35 Zavuleka kwa oko indlebe zaso, zacombûluka ingqambû zolwimi lwaso, satêtâ salungisa.
36 Wabayala ukuba mabangaxeleli bani; kodwa okukôna wabayalayo kwaba kukôna bakuvakalisa ngakumbî.
37 Bakwanqiswa ngokuncamisileyo kanye, besitî, Uzenze into zonke kakuhle; uzenza nezitûlu zive, nabange nakutêtâ batêtê.

8 Ngalomihla, yakuba inkulu kakûlu indimbâne, inge nanto ingayidlayo, wababizela kuye abafundi bakê u-Yesu, atî kubo,
2 Ndisikwa yimfesane ngenxa yendimbâne; ngokuba sekuntsuku ntatû behleli nam benge nanto bangayidlayo;
3 Ukuba nditê ndabandululula baya emakâyeni abo bengadlanga, botŷafa endleleni; kuba inxenye yabo ivela kude.
4 Bampêndula abafundi bakê, *besitî*, Wokuzuza pîna umntu ukuba nakô ukubahlutisa aba ngezonka entlango apâ?
5 Wayebabuza esiti, Zingapîna izonka eninazo? Batî-ke bona, Zisixênxe.
6 Wayitêtêla indimbâne ukuba ihlale pântsi emhlabeni; wazitâbatâ izonka zosîxênxe, wabulela, waqêkeza, wanika abafundi bakê, ukuze babeke pâmbî kwabo; babeka-ke pâmbî kwayo indimbâne.
7 Baye benentlanzana ezimbâlwa; akuba esikelele, watî mazibekwe pâmbî kwabo nazo.
8 Badla-ke bahluta; basusa amaqêkeza aseleyo ingobozi zasixênxe.
9 Kekaloku abo babesidla ngatî babe mawaka mane; wabandululula.
10 Wangena kwa oko emkômbêni nabafundi bakê, weza emacaleni ase-Dalmanuta.

11 Bapûma aba-Farisi, baqala ukubuzana naye, befuna kuye umqondiso ovela ezulwini, bemlinga.
12 Encwinile kanzulu ngomoya wakê, atî, Yinina ukuba esisizukulwana sinxâmele umqondiso? Inene nditî kuni, Unakanye ukuba sinikwe umqondiso esisizukulwana.
13 Wabashiya, wabuya wangena emkômbêni, wemka waya ngapêsheya.

14 Baye belibele ukupâtâ izonka; babenge nanto banayo emkômbêni ngapândle kwesonka esinye.
15 Wabayala esitî, Ligqaleni, nililumkele igwele laba-Farisi negwele lika-Herode.
16 Baye becamanga besitshono ukutî, Kungokuba singe nazonka.
17 Ekwazi oko u-Yesu, atî kubo, Yinina ukuba nicamange, ngokuba ninge nazonka? Anikaqiqi-na, anikaqondi-na, isaqaqadekile-na intliziyo yenu?
18 Ninamehlo-nje, aniboni-na? ninendlebe-nje, aniva-na? anikûmbûli-na?
19 Okuya ndaqêkezela amawaka amahlanu izonka ezihlanu, zaye zingapîna izitya ezizele ngamaqêkeza enazisusayo? Batî kuye, Zazilishumi elinazibini.

Digitized by Google

20 Okuya-ke ezisixênxe *ndaziqêkezela* amawaka amane, zazingapîna ingobozi zizele ngamaqêkeza enazisusayo? Batî-ke, Zazisixênxe.
21 Wayesitî kubo, Pofu yinina ukuba ningaqondi?

22 Aze kufika e-Betesayida; bazise imfama kuye, bambongoze ukuba ayicûkumise.
23 Utê, eyibambê ngesandla imfama, wayifolela ngapândle komzi; watshica emehlweni ayo, wabeka izandla pêzu kwayo, wayibuza ukuba ibona nto-na?
24 Yaza yakângela pêzulu yatî, Ndiyababona abantu; kuba ndibanakana behambâ ngatî yimitî.
25 Wabuya wazibeka izandla pêzu kwamehlo ayo, wayikângelisa pêzulu; yabuya yapîla, yababona bonke kakuhle.
26 Ayitûmele endlwini yayo, esitî, Uz' ungangeni kuwo umzi, ungatêtî nakubani kuwo umzi.

27 Wapûma u-Yesu nabafundi bakê waya emizini yase-Kesareya ka-Filipu; waye endleleni ebabuza abafundi bakê, esitî kubo, Kutîwa ngabantu ndingubanina mna?
28 Bapêndula-ke bona ngokutî, Batî, Ungu-Yohane um-bâptizi; abanye batî, Ungu-Eliya; bambî-ke batî, Ungomnye waba-profeti.
29 Atî yena kubo, Ke nina nitî ndingubanina? Apêndule-ke u-Petros atî kuye, Wena unguye u-Kristu.
30 Wabakâlimela ukuba bangaxeleli bani ngaye.
31 Waqala ukubafundisa, okokuba u-Nyana womntu umelwe kukuba eve ubunzima obukûlu, alahlwe ngawo amadoda amakûlu nababingeleli [1] abakûlu nababâli, abulawe, atî emveni kwentsuku ezintatû abuye avuke.
32 Elozwi wayelitêtâ ngokungafihlisiyo. U-Petros wamtâbatêla kuye, waqala ukumkâlimela.
33 Utê-ke yena, ejikile wabakângela abafundi bakê, wamkâlimela u-Petros, esitî, Suk' uye emva kwam, Satana; ngokuba ungazinyamekeli ezika-Tîxo izinto, unyamekela ezabantu.
34 Eyibizele kuye indimbâne, kwa nabafundi bakê, watî kubo, Osukuba etânda ukundilandela, makazincame awutwale umnqamlezo wakê, andilandele-ke.
35 Kuba otê watânda ukuwusindisa umpêfumlo wakê, wolahlekelwa nguwo; ke yena otê wawulahla umpêfumlo wakê ngenxa yam nangenxa yendaba ezilungileyo ezi, wowusindisa.
36 Kuba komnceda nto-nina umntu, ukuba utê walizuza ihlabatî lipêla, waza wonakalelwa ngumpêfumlo wakê?
37 Okanye wofola-nto-nina umntu ibe sisananelo sompêfumlo wakê?
38 Kuba otê wanentloni ngam nangamazwi am kwesisizukulwana sifexezayo sonayo, naye u-Nyana womntu woba nentloni ngaye, xa atê weza esebuqaqaulini bo-Yise enezitûnywa ezingcwele.

9 Wayesitî kubo, Inene nditî kuni, Kukô abatîle kwabemiyo apâ, abangayi kukê beve kufa bona, bade babubone ubukumkani buka-Tîxo busiza ngamandla.
2 Utî u-Yesu, emveni kwentsuku ezintandatû, atâbaté u-Petros no-Yakobi no-Yohane; abanyuse baye entabeni endê ngasese bebodwa. Waza wenziwa wakumila kumbî pâmbî kwabo.
3 Zasuka nengubo zakê zabengezela, zamhlope kunene njengekêpu, ekungekô mcâzi wangubo emhlabeni apâ unakô ukuzenza mhlope kangako.
4 Kwabonakala kubo u-Eliya eno-Moses; baye betêtâ no-Yesu.
5 Apêndule u-Petros atî ku-Yesu, Rabi, kuhle ukuba sibe lapâ; masenze iminquba ibe mitâtû, omnye ube ngowakô, omnye ube ngoka-Moses, omnye ube ngoka-Eliya.
6 Kuba ubengayazi into abengayitêtâyo: kuba bebesoyika kakûlu.
7 Kwabakô ilifu elibenzela itînzi; kweza nezwi lipûma efini apô, lisitî, Lo ngu-Nyana wam oyintânda; mveni yena.
8 Bakut' ukusingasinga, ababi sabona mntu, babona selingu-Yesu yedwa onabo.

9 Kekaloku, bakubon' ukuba bayehla entabeni apô, wabayala ukuba bangazityeli bani ezonto bazibonileyo, kungaba kude kube kuxa atê wavuka kwabafileyo u-Nyana womntu.
10 Elozwi balibambâ lakubo bodwa, be-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Mfundisi.

Digitized by Google

buzana ukuba ukuvuka kubo abafileyo kukutí-nina.

11 Baye bembuza besití, Batí-nina ababâli okutí u-Eliya umelwe kufika tanci?

12 Upêndule-ke watí kubo, U-Eliya okunene efike tanci wobuya azimise zonke izinto; *wabaxelela* nokokuba kutíwe-nina ukubâlwa ngaye u-Nyana womntu, ukuba ufanele ukuva ubunzima obukúlu, enziwe into enge yanto.

13 Ke nditi kuni, Ufikile u-Eliya, baza benza kuye konke abakutândayo, kwa njengoko kubâliweyo ngaye.

14 Akufika kubafundi, wabona indimbâne enkúlu ibapâhlile; nababâli bebuzana nabo.

15 Yatí kwa oko yonke indimbâne yakumbona yaqipúka umbilini; beza kuye ngokubaleka, bambulisa.

16 Wababuza ababâli, *esití*, Nibuzana nto-nina nabo?

17 Wapêndula omnye wasendimbâneni, watí, Mfundisi, bendizise unyana wam kuwe, enomoya ongatêtíyo;

18 Apó utê wamqubula kóna uyamntlala, aze alepúze amagwebu, atshixize amazinyo akê, asuke ome; nditêtê kubafundi bakó ukuba bawukúpê; bakohlwa.

19 Ampêndule-ke yena atí, Sizukulwanandini singakólwayo, koda kube ninina ndikuni? koda kube ninina ndininyamezele? mziseni kum.

20 Bamzisa kuye; akumbona wesuka kwa oko umoya wambetâ we-xwenene; wawa emhlabeni, wamana eqikaqikeka, elepúza amagwebu.

21 Wabuza kuyise, ukuba kumgama ungakananina imhlile lento. Watí-ke yena, Kwa esengumntwana;

22 Umpóse futí emlilweni, kwa nasemanzini, ukuba umtshabalalise; ke ukuba unakó ukwenza into, sisize, usikwe yimfesane sití.

23 Watí-ke u-Yesu kuye, Ewe, ukuba unokukólwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okólwayo.

24 Wakâla kwa oko uyise womntwanalowo, watí enenyembézi, Ndiyakólwa, Nkosi, siza *ususe* ukungakólwa kwam.

25 Utê-ke u-Yesu, ebone ukuba indimbâne ibalekela ndaweni nye, wawukâlimela umoya oncólileyo, esití kuwo, Moyandini ungatêtíyo usitúlu, mna ndiyakutêtêla, púma kuye, ungabi sangena kuye.

26 Wakâla *wona*, wambetâ we-xwenene kunene, wapúma; waba njengofileyo, bada abaninzi batí, Ufile.

27 Utê-ke u-Yesu wambambâ ngesandla, wamvusa; wesuka wema.

28 Eye kungena endlwini, bambuza abafundi bakê ngasese, *besití*, Yayiyinina ukuba singabi nakó ukuwukúpâ tína?

29 Watí kubo, Olu lona uhlobo alunakó ukupúma nganto, kunge ngako ukutândaza nokuzila ukudla.

30 Bepúmile apó, babehambâ becanda kwelase-Galili; wayengatândi ukuba kwazi bani;

31 Kuba wayebafundisa abafundi bakê, esití kubo, U-Nyana womntu unikelwa ezandleni zabantu, baya kumbulala; uya kutí ebulewe abuye avuke ngomhla wesitâtú.

32 Baye bengakuqondi okokutêtâ; baye besoyika nokumbuza.

33 Weza kufika e-Kapernahum. Akuba esekâya, wayebabuza, *esití*, Nibe nicamanga nto-nina pâkatí kwenu endleleni?

34 Bahlala-ke batí-tu; kuba endleleni babepíkisene ngokutí, Ngubanina omkúlu kunabanye?

35 Akuba ehleli pântsi, wababiza abalishumi elinababini, watí kubo, Ukuba ubani utânda ukuba ngowokuqala, woba ngowokugqibela kwabo bonke nomlungiseleli wabo bonke.

36 Utâbatê umntwana, wammisa pâkatí kwabo; emwolile, watí kubo,

37 Otê wamkela noko amnye wabantwana abanje, ngegama lam, wamkela mna; notê wamkela mna, akamkeli mna, wamkela lowo wanditúmayo.

38 Kekaloku u-Yohane wampêndula, esití, Mfundisi, sabona umntu ekúpâ i-demon ngegama lakó, ongasilandeliyo tína; samalela-ke ngokuba engasilandeli tína.

39 Watí-ke u-Yesu, Musani ukumalela; kuba akukó namnye uya kwenza umsebenzi wamandla ngegama lam, aze ahle abe nakó ukutêtâ kakubi ngam.

40 Kuba ongacâseneyo natí ungecala letú.

41 Kuba otê waniseza nendebe-le yamanzi nisegameni lam, ngokuba ningabaka-Kristu, inene nditi kuni, Akasayi kupúlukana nomvuzo wakê.

Digitized by Google

42 Notê wakûbekisa *noko* amnye wabancinane abakôlwayo kum, ngekumlungele kanye ukuba ubegangxwe ilitye lokusila entanyeni yakê, wapôswa elwandle.

43 Nokuba-ke isandla sakô sitê sakukûbekisa, sinqamle sona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usilima, kunokuba utî, unezandla zozibini, umke uye esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,

44 Apô kumpetû ingafiyo, nomlilo ungacinywayo.

45 Nokuba unyawo lwakô lutê lwakukûbekisa, lunqamle lona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usiqwala, kunokuba utî, unenyawo zombîni, upôswe esihogweni, emlilweni ongacimekiyo,

46 Apô kumpetû ingafiyo nomlilo ungacinywayo.

47 Nokuba iliso lakô litê lakukûbekisa, likûpe lona; kukulungele kanye ukungena ebukumkanini buka-Tîxo unaliso linye, kunokuba utî, unamehlo amabini, upôswe esihogweni somlilo,

48 Apô kumpetû ingafiyo, nomlilo ungacinywayo.

49 Kuba bonke beya kugalelwa ityuwa ngomlilo, atî onke amadini agalelwe ityuwa ngetyuwa.

50 Ityuwa ilungile yona; ke ukuba itê ityuwa ayabi nabutyuwa, noyivakalisa nganto-nina? Yibani netyuwa pâkatî kwenu, nihlale ninoxolo omnye komnye.

10 Esukile apô, uzê kungena emideni yakwa-Yuda *ecanda* kwelipêsheya kwe-Yordan. Kubuye kuhlanganiselane indimbâne kuye; ubesitî-ke, njengoko ebeqêle ngako, abuye azifundise.

2 Bafika aba-Farisi, bambuza ukuba kuvumelekile-na ukuba indoda imale umfazi wayo; *batsho* bemlinga.

3 Wapêndula-ke watî kubo, U-Moses waniwisela mtêtô mnina?

4 Batî bona, U-Moses wakuvumela ukubâla incwadi yokwahlukana, noku*m*ala.

5 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Ngokuba lukûni kwentliziyo yenu wanibâlela lomtêtô;

6 Kodwa kwa sekuqalekeni kokudalwa u-Tîxo wabenza bayindoda nenkazana.

7 Ngenxa yoko umntu uya kushiya uyise nonina, anamatêle emfazini wakê;

8 Baze abo babini babe nyama nye. Ngako oko abasebabini banyama nye.

9 Oko-ke ngoko u-Tîxo akumanyileyo, makungahlulwa mntu.

10 Endlwini abafundi bakê babuya bambuza ngayo lonto.

11 Atî kubo, Otê wamala umfazi wakê, wazeka omnye, uyarexeza kulowa;

12 Nokuba umfazi utê wayala indoda yakê, wendela kwenye, uyarexeza.

13 Baye bezisa abantwana kuye ukuze abacûkumise; basuke abafundi babakâlimela abo babazisayo.

14 Kekaloku ekubonile *oku* u-Yesu, wacapuka, watî kubo, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli; ngokuba ubukumkani buka-Tîxo bobabo banjalo.

15 Inene nditî kuni, Otê akabamkela ubukumkani buka-Tîxo njengomntwana, akakukê angene kubo.

16 Waza wabawola, wazibeka izandla pêzu kwabo, waman' ebasikelela.

17 Akubon' ukuba uyapûma uya endleleni, kweza otîle ngokubaleka, wawa ngamadolo kuye, wambuza *esitî*, Mfundisi ulungileyo, ndenze-nto-nina ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunapâkade?

18 Utê-ke u-Yesu kuye, Yinina ukuba utî ndilungile? akukô ulungileyo, mnye kwapêla, ngu-Tîxo.

19 Uyayazi imitêtô: Musa ukuřexeza, musa ukubulala, musa ukubā, musa ukunqînela ubuxoki, musa ukulumkisa, beka uyihlo nonyoko.

20 Upêndule-ke yena watî kuye, Mfundisi, zonke ezonto ndazigcina kwa sebuncinaneni bam.

21 Utê-ke u-Yesu, ondele kuye, wamtânda, watî kuye, Kukô nto nye uyisweleyo; hambâ uye kutêngisa ngento zonke onazo, upê amahlwempû, woba nobutyebi-ke ezulwini; yiza-ke undilandele, uwutwele umnqamlezo.

22 Watî-ke kûnubembê ngelozwi, wemka ebuhlungu; kuba ebe nemfuyo eninzi.

23 U-Yesu esingasingile watî kubafundi bakê, Hayi ukuba ngenkankulu ukuya kungena kwabo banobutyebi ebukumkanini buka-Tîxo!

24 Ke batî-qîpu umbilini abafundi ngamazwi akê. Apînde-ke u-Yesu apêndule atî kubo, Bantwana, hayi ukuba ngenkankulu ukutî abo bakôlose ngobutyebi bangene ebukumkanini buka-Tîxo!

Digitized by Google

25 Kulula ukuba in-kamela ipûmele emtunjeni we-naliti, kunokuba isityebi singene ebukumkanini buka-Tîxo.

26 Baye bekwanqiswa-ke ngokuncamisileyo, besitshono ukutî, Ngubanina ongasindiswayo?

27 Ondele-ke kubo u-Yesu, utî, Kubantu akunakwenzeka; kuye yena u-Tîxo akunakuba kungenzeki; kuba zonke izinto zinakô ukwenzeka kuye u-Tîxo.

28 Waqala u-Petros ukutî kuye, Uyabona, tîna sishiye into zonke, sakulandela.

29 Wapêndula u-Yesu watî, Inene nditî kuni, Akukô namnye ushiye indlu, nokuba ngabazalwana, nokuba ngodade, nokuba nguyise, nokuba ngunina, nokuba ngunîfazi, nokuba ngabantwana, nokuba ngamasimi, ngenxa yam nangenxa yendaba ezilungileyo ezi,

30 Ongayi kutî amkeliswe kalikûlu, ngoku ngelixesha, izindlu nabazalwana nodade nonina nabantwana namasimi ndawonye nentshutshiso, nakwelizayo ipâkade ubomi obungunapâkade.

31 Ke baninzi abokuqala abaya kuba ngabokugqibela, nabokugqibela *abaya kuba* ngabokuqala.

32 Kekaloku, babe sendleleni benyuka besiya e-Yerusalem; waye u-Yesu ehambâ pâmbî kwabo; baye betê-qîpu umbilini, balandela besoyika. Wabuya wabatâbatâ abalishumi elinababini, waqala ukubaxelela izinto eziza kumhlela,

33 *Esitî*, Niyabona, siyenyuka siya e-Yerusalem; waye u-Nyana womntu eya kunikelwa kubabingeleli [1] abakûlu nakubabâli; baya kumgweba ukuba afe, bamnikele kuzo in-Tlanga;

34 Ziya kudlala ngaye, zimtyakatye, zimtshicele, zimbulale; aze atî ngomhla wesitâtû abuye avuke.

35 Kuze kuye u-Yakobi no-Yohane onyana baka-Zebedi, besitî, Mfundisi, sitânda ukuba usenzele into esotî siyicele.

36 Watî-ke yena kubo, Nitânda ukuba ndinenzele nto-nina?

37 Batî-ke bona kuye, Sipê ukuhlala, omnye ngasekunene kwakô, nomnye ngasekôhlo kwakô, ebuqaqaulini bakô.

38 Watî-ke u-Yesu kubo, Aniyazi into eniyicelayo; ninakô-na ukuyisela indebe endiyiselayo mna, nibâptizwe ngo-bâptizo endibâptizwa ngalo mna?

39 Batî-kè bona kuye, Sinakô. Watî-ke u-Yesu kubo, Okunene indebe endiyiselayo mna, niya kuyisela; no-bâptizo endibâptizwa ngalo mna, niya kubâptizwa kwa ngalo;

40 Kodwa kôna ukuhlala ngasekunene kwam nangasekôhlo kwam asikwam ukupâ ngako, ngapândle *kokupâ* abo kulungiselwe bona.

41 Bevile abalishumi, baqala ukubacapukela o-Yakobi no-Yohane.

42 Kekaloku, u-Yesu ebabizele kuye, utî kubo, Niyazi, ukuba abo kutîwa balaula in-Tlanga bayazigagamela, nabo bazikûlu zazo benza ngegunya kuzo.

43 Zekungabi njalo-ke pâkatî kwenu nina; osukuba efuna ukuba mkûlu pâkatî kwenu, makabe ngumlungiseleli wenu;

44 Nosukuba efuna ukuba ngowokuqala, makabe ngumkônzi wabo bonke;

45 Kuba no-Nyana womntu engezanga kulungiselelwa, weza kulungiselela, nokuncama ubom bakê bube yintlaulelo yokukûlula abaninzi.

46 Baze kufika e-Yeriko. Ekupûmeni kwakê e-Yeriko apô nabafundi bakê nendimbâne elingeneyo, unyana ka-Timeyu u-Bartimeyu imfama waye ehleli ngasendleleni enqîba.

47 Watî akuva ukuba ngu-Yesu wase-Nazarete waqala ukudanduluka watî, Yesu nyana ka-Davide, ndenzele inceba.

48 Baye abaninzi bemkâlimela ukuba atîtu; kwaba kokukôna-ke wadandulukayo ngakumbî esitî, Nyana ka-Davide, ndenzele inceba.

49 Wema u-Yesu, watî, Makabizwe. Bayibiza-ke imfama, besitî kuyo, Yomelela, suk'ume, uyakubiza.

50 Itê-ke yona, ilahle ingubo yayo, yesuka yeza ku-Yesu.

51 Apêndule atî kuyo u-Yesu, Utânda ukuba ndikwenzele nto-nina? Yatî-ke imfama kuye, Raboni, [1] nditânda ukuba ndibone.

52 Watî-ke u-Yesu kuyo, Hambâ uhambê; ukôlo lwakô lukusindisile. Yabona kwa oko, yamlandela u-Yesu endleleni apô.

11 Kekaloku, xa basondelayo e-Yerusalem e-Betefage nase-Betani, be-

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye nba-priste.

[1] Mfundisi.

Digitized by Google

singisa entabeni yemi-Nquma, ususa babe babini kubafundi bakê,

2 Atî kubo, Hambâni niye emzaneni-lo ukângelene nani; notî ningena kuwo, nibe senifumana itôle *le-esile* libotshelelwe, ekungazanga kuhlale namnye umntu pêzu kwalo; likûluleni, nilizise.

3 Nokuba ubani utê kuni, Yinina ukuba nikwenze oko? notî, Liyafuneka e-Nkosini; wotî kwa oko-ke alitûmele apâ.

4 Basuka-ke baya, balifumana itôle libotshelelwe ngasemnyango ngapândle ekuhlanganeni kwendlela; balikûlula.

5 Baye abatîle kwababemi kôna besitî kubo, Nenza nto-nina nilikûlula-nje itôle?

6 Batêtâ-ke kubo njengoko u-Yesu ebebawisele umtêtô ngako; baza babayeka.

7 Balizisa itôle ku-Yesu; bazipôsa ingubo zabo pêzu kwalo; wahlala pêzu kwalo.

8 Kekaloku, abaninzi bazandlala ingubo zabo endleleni; baye-ke abanye bexûzula amahlamvu emitîni, bewandlala endleleni.

9 Baye abo babehambâ ngapâmbîli nabo babelandela bedanduluka, besitî, Hosana; makabongwe lo uzayo esegameni le-Nkosi.

10 Mabubongwe ubukumkani bobawo wetû u-Davide, obo buzayo ngegama le-Nkosi, Hosana enyangweni.

11 Utê-ke u-Yesu wangena e-Yerusalem nasetempileni; ezisingasingile izinto zonke, watî, kuba bekusekuhlwile, wapûma waya e-Betani, enabalishumi elinababini.

12 Utê ngengomso, bakubon' ukuba bapûmile e-Betani, walambâ.

13 Watî, ebone umkîwane ukude, unamagqabi waya *kukângela* ukuba angafumana nto-na kuwo; akufika kuwo, akafumana nto, kwakupêla yangamagqabi; kuba belingelilo ixesha lamakîwane.

14 Wapêndula u-Yesu watî kuwo, Makungaze kudle mntu siqâmo kuwe napâkade. Baye besiva-ke abafundi bakê.

15 Bafikē e-Yerusalem. Waza u-Yesu, eye kungena etempileni, waqala wabakûpâ ababetêngisa nababetênga etempileni; watî ne-tafile zabanani bemali nezihlalo zabatêngisa ngamahobe wazibûkuqa.

16 Wayengavumi ukuba kubekô ncanda etempileni etwele isitya.

17 Wayefundisa, esitî kubo, Akubâliwe-na *kwatîwa:* Indlu yam iya kubizwa ngokuba yindlu yokutândaza intlanga zonke; ke nina niyenze umqolomba wezihange.

18 Beva ababâli nababingeleli[1] abakûlu; baye befuna ukuba bangatî-nina ukumtshabalalisa; kuba bebemoyika yena, ngokuba indimbâne yonke ibikwanqiswe yimfundiso yakê.

19 Utê-ke kwakuhlwa wapûma, waya ngapândle komzi.

20 Batî, bedlula kusasa, bawubona umkîwane-lowo womile, utâbatêle kwasezingcanjini.

21 Ekûmbûle u-Petros, utî kuye, Rabi,[2] kângela, umkîwane obuwuqalekisile womile.

22 Apêndule u-Yesu atî kubo, Yibani nokukôlwa ku-Tixo.

23 Kuba inene nditî kuni, Otê kulentaba, Funquleka, upôseke elwandle, angatândabuzi entliziyweni yakê, asuke akôlwe ukuba ezonto azitêtâyo zinokwenzeka, wokuzuza oko atê wakutêtâ.

24 Ngenxa yoko nditî kuni, Zonke izinto enisukuba nizicela, nitândaza, kôlwani ukuba ninokuzamkela, noba nazo.

25 Naxa sukuba nimi nitândaza, ukuba ninendawo ngakotîle, mxoleleni; ukuze no-Yihlo osemazulwini anixolele izipôso zenu.

26 Ke, ukuba anixoleli nina, naye u-Yihlo osemazulwini akasokunixolela izipôso zenu.

27 Babuye beze e-Yerusalem; kutî, akubon' ukuba uyahambâ etempileni, kuze kuye ababingeleli[1] abakûlu nababâli namadoda amakûlu;

28 Batî kuye, Uzenza ezizinto ngagunya linina? kanjalo ngubanina okunike eligunya lokuze ezizinto uzenze?

29 Wapêndula-ke u-Yesu, watî kubo, Nam ndiya kunibuza zwi nye, zenindipêndule; ndonixelela-ke ukuba ndizenza ngagunya linina ezizinto.

30 U-bâptizo luka-Yohane lwalupûma ezulwini, lwalupûma ebantwini, sinina? Ndipênduleni.

31 Baye becamanga pâkatî kwabo, besitî, Ukuba sitê, Lwalupûme ezulwini, wo-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-prista.
[2] Mfundisi.

Digitized by Google

tî, Ibi yinina pôfu ukuba ningakôlwa nguye?

32 Kodwa, ukuba sitê, Lwalupûme e-bantwini,—babesoyika abantu; kuba bonke babebambê ukutî u-Yohane ube ngum-profeti inene.

33 Bapêndula batî ku-Yesu, Asazi. Apêndule u-Yesu atî kubo, Nam andinixeleli ukuba ndizenza ngagunya linina ezizinto.

12 Waqala ukutî kubo ngemizekeliso, Umntu watyala isi-diliya, wasibiyela ngotângo, wembâ isixovulelo se-diliya, wakâ inyango, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambêla kwelinye.

2 Watî ngelona xesha watûma umkônzi kubalimi abo, ukuba amkele kubalimi esiqâmeni sesi-diliya-eso.

3 Basuka bona bambambâ, bamtyabula, bamndulula elambâta.

4 Wabuya watûma kubo omnye umkônzi, lowo bamgibisela ngamatye, bamnxwelefa entloko, bamndulula bemhlazisile.

5 Wabuya watûma omnye; lowo bambulala. *Watûma* nabanye babaninzi, inxenye beyityabula, inxenye beyibulala.

6 Utê ngoko, esenaye unyana emnye, intânda yakê, wamtûma naye kubo ukugqibela, esitî, Baya kumhlonela yena unyana wam.

7 Ke bona abobalimi batî pakatî kwabo, Yindla-lifa lo; yizani simbulale, ilifa libe leletû.

8 Bamtâbatâ-ke, bambulala, bampôsa ngapândle kwesidiliya.

9 Uyakwenza nto-nina kengoko umninisi-diliya? Wofika abatshabalalise abobalimi, asinikele kubambî isi-diliya-eso.

10 Anisilesanga-na esisibâlo, *sitî*,
Ilitye abalicekisayo abakî,
Lelona laba yintloko yembômbô;
11 Lavela e-Nkosini lona,
Lingummangaliso emehlweni etû?

In-Dum. 118, 22.

12 Baye befuna ukumbambâ, basuka boyika indimbâne, kuba baqonda ukuba uwutêtê ngabo lomzekeliso. Bamshiya bemka.

13 Batûmele kuye abatîle bakuba-Farisi nakuma-Herode, ukuze bambambîse ngokutêtâ.

14 Befikile-ke bona, batî kuye, Mfundisi, siyazi ukuba uyinene, kanjalo akukâtâli nangubani; kuba akukêti buso bamntu, indlela ka-Tîxo uyifundisa ngenene. Kuvumelekile-na ukumnika ifafu u-Kesare? *akuvumelekile* kusinina? sinikele singanikeli kusinina?

15 Kekaloku, yena ekwazi ukuhanahanisa kwabo, watî kubo, Nindilingela-nina? ndiziseleni i-denariyo, ndiyibone.

16 Bayizisa-ke. Atî kubo, Ngokabanina lomfanekiso nombâlo? Batî-ke kuye, Ngoka-Kesare.

17 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Nikelani into zika-Kesare ku-Kesare, nento zika-Tîxo ku-Tîxo. Bamangaliswa nguye.

18 Kuze kuye naba-Sadusi, bon'abo batî akukô luvuko; babuza kuye besitî,

19 Mfundisi, u-Moses wasibâlela, *watî:* Ukuba umzalwana katîle utê wafa, washiya umfazi, akashiya bantwana, makatî umzalwana wakê amzeke umfazi wakê, amvelisele imbêwu umzalwana wakê.

20 Kekaloku, bekukô abazalwana abasixênxe. Watî owokuqala wazeka umfazi; waza akufa akashiya mbêwu.

21 Utê owesibini wamzeka, wafa, akashiya mbêwu naye. Wenje njalo nowesitâtû.

22 Bamzeka-ke bosixênxe; abashiya mbêwu. Ekugqibeleni kwabo bonke, wafa naye umfazi.

23 Ngoko eluvukweni, xa batê babuya bavuka, uya kuba ngumfazi wawupîna kubo, kuba babe naye bosixênxe engumfazi?

24 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Anilahleki-na ngenxa yalendawo yokuba ningazazi izibâlo kwa namandla ka-Tîxo?

25 Kuba, xa batê babuya bavuka kwabafileyo, abazeki, abendiswa; banjengazo izitûnywa ezisemazulwini.

26 Ngokusingisela kwabafileyo-ke, ukuba bayavuka, anilesanga-na encwadini ka-Moses, endaweni etêtâ ngetŷolo, okokuba u-Tîxo watêtâ kuye esitî: Mna ndingu-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi?

27 Aka-Tîxo wabafileyo, ungu-Tîxo wabapîlileyo. Nina-ke ngoko niyalahleka kakûlu.

28 Kwafika omnye wakubabâli; wabeva bebuzana; waqonda ukuba ubapêndule

Digitized by Google

kakuhle; wambuza esitî, Owona mtêtô upâmbîli kuyo yonke nguwupîna?

29 U-Yesu wampêndula-ke esitî, Owona ungapâmbîlî kuyo yonke imitêtô nguló: Yiva, Sirayeli, i-Nkosi u-Tîxo wetû yi-Nkosi inye.

30 Uz'uyitânde-ke i-Nkosi u-Tîxo wakô ngentliziyo yakô ipêla, nangompêfumlo wakô upêla, nangengqondo yakô ipêla, nangamandla akô epêla. Nguwo lo ongapâmbîli umtêtô.

31 Nowesibini ufana nawo, nangu: Uz'ulutânde umelwane lwakô njengoko uzi*tânda* ngako. Akukô mtêtô wumbî umkûlu kunalé.

32 Watî umbâli kuye, Nxâtsho-ke, Mfundisi, utêtê inyaniso; ngokuba mnye u-Tîxo, akukô wumbî ngapândle kwakê;

33 Nokutî, umtânde yena ngentliziyo ipêla, nangengqiqo ipêla, nangompêfumlo upêla, nangamandla epêla, nokutî, ulutânde umelwane lwakô njengoko uzitânda ngako, kungapêzu kwawo onke amadini atshiswayo kupêle nemibingelelo.

34 U-Yesu, embonile ukuba upêndule ngengqiqo, watî kuye, Akukude wena ebukumkanini buka-Tîxo. Akwabi sabakô mntu ube nobuganga bakumbuza nto.

35 Wapêndula u-Yesu, watî, efundisa etempileni, Batsho nganina ababâli ukutî, U-Kristu ungunyana ka-Davide?

36 Kuba u-Davide ngokwakê watî ngo-Moya Oyingcwele:

Yatî i-Nkosi e-Nkosini yam,
Hlala ngasekunene kwam,
Ndide intshaba zakô ndizenze isitulo senyawo zakô. In-Dum. 110, 1.

37 U-Davide ngoko ngokwakê utî, Uyi-Nkosi. Kuvela pîna-ke ukuba ngunyana wakê? Lwaye-ke uninzi lwabantu lumva kamnandi.

38 Wayesitî kubo, ekufundiseni kwakê, Balumkeleni ababâli, abatânda ukuhambâ ngengubo ezinde, nemibuliso ezindaweni zembutô,

39 Nezihlalo zobukûlu ezindlwini zesikûngu, nezilili zobukûlu ezidlweni:

40 Abazidla bazigqibe izindlu zabahlolokazi, baze benyâlaza batândaze uzungu. Aba baya kwamkela ugwebo olugqitisileyo.

41 Waye u-Yesu ehleli malungana nomkûmbî wokulondoloza imali, ekângela ukuba itî-nina indimbâne ukupôsa imali yobêdu emkûmbîni wokulondoloza imali; zaye izityebi ezininzi zipôsa kakûlu.

42 Kwafika mhlolokazi utîle ulihlwempu, wapôsa imalanana zambîni eziyikodrante.[1]

43 Ebabizele kuye abafundi bakê, utî kubo, Inene nditî kuni, Lomhlolokazi ulihlwempu upôse ngapêzu kwabo bonke abapôsileyo emkûmbîni wokulondoloza imali;

44 Kuba bonke *abo* bapôsē betâbatâ kwikûpâ labo; ke yena ekusweleni kwakê upôse konke abe nako, impîlo yakê ipelâ.

13 Kwakubon' ukuba uyapûma e-tempileni, utî omnye umfundi wakê kuye, Mfundisi, uyawabona-na lamatye angaka, nezizakîwo zingaka?

2 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Uyazibona-na ezizakîwo zikûlu? akusayi kusala litye pêzu kwelitye elingayi kucîtwa.

3 Baye, akubon' ukuba uhleli entabeni yemi-Nquma malungana ne-tempile, embuza ngasese o-Petros no-Yakobi no-Yohane no-Andreya, besitî,

4 Sixelele ukuba ziya kubakô ninina ezozinto, nokuba uya kuba yinina umqondiso, xa zonke ezozinto ziza kupêliswa.

5 Wabapêndula-ke u-Yesu waqala ukutî, Lumkani ningalahlekiswa bani;

6 Kuba baninzi abaya kuza ngegama lam, besitî, Banguye *u-Kristu*, balahlekise into eninzi.

7 Xa nitê neva imfazwe namafe emfazwe, musani kuba navuso; kuba ezozinto zimelwe kukuhla, ukanti kôna ukupêla akukabikô;

8 Kuba uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani; kuya kubakô inyikima zomhlaba kwindawo ngendawo; kuya kubakô nendlala nenkâtâzeko; zingqaleko-ke zemibâ ezo.

9 Zilumkeleni-ke okwenu; kuba bayo kuninikela ezintlanganisweni zamatyala nityatyulwe ezindlwini zesikûngu, nimiswe pâmbî kwabalauli nokumkani ngenxa yam, kube bunqîna kubo.

10 Kumele ukutî-ke ukuqala kuvakaliswe indaba ezilungileyo ezi kuzo zonke intlanga.

[1] 1-Kodrante ezisibôzo ziyitiki.

Digitized by Google

11 Xa sukuba-ke benifola beya kuninikela, musani ukuyixâlela kwangapâmbîli into eniya kuyitêtâ, ningacamangi nokucamanga nto; into, enitê nayinikwa ngeloxa, têtâni yona; kuba asinini enitêtâyo, ngu-Moya Oyingcwele.

12 Kekaloku, umzalwana uya kunikela umzalwana ekufeni, aze uyise anikele umntwana, batî nabantwana bavukelane nabazali, bababulalise,

13 Nitîywe *ngabantu* bonke, ngenxa yegama lam; ke onyamezelayo kude kube sekupêleni, lowo wosindiswa.

14 Kekaloku, xa nitê nalibona isikizi lesipânziso, ekwakutêtwa lona ngo-Daniyeli um-profeti, limi apô lingamele *kuba* kôna, (olesayo makaqiqe,) mabatî ngeloxa abo bakwa-Yuda basabele ezintabeni.

15 Opêzu kwendlu-ke makangehli aye endlwini, angangeni aye kutâbatâ into endlwini yakê.

16 Nalowo usentsimini makangabuyeli emva, aye kutâbatâ ingubo yakê.

17 Yeha-ke abamitîyo nabanyisayo ngalomihla!

18 Tândazani-ke, ukuze intsabo yenu ingabi kôna ebusika;

19 Kuba yona lomihla iya kuba yimbândezelo, engazanga ibekô enjalo kwasekuqalekeni kwendalo awayidalayo u-Tîxo, kwada kwakaloku-nje; engasayi kubuye ibekô.

20 Kanjalo ukuba i-Nkosi ibingayinqamlelanga lomihla, bekungayi kubakô mntu usindayo; koko itê ngenxa yabanyulwa ebanyulileyo yayinqamlela imihla leyo.

21 Ngeloxa-ke, ukuba ubani utê kuni, Nanku apâ u-Kristu, nokuba utê, Nankuya pâya, musani ukukôlwa *nguye;*

22 Kuba kuya kuvela o-Kristu ababuxoki, naba-profeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka.

23 Lumkani-ke nina; yabonani, ndinixelele into zonke ngenx' engapâmbîli.

24 Ngalomihla emveni kwayo lombândezelo, liya kusuka ilanga lenziwe mnyama, itî nenyanga ingabukûpî ubuhlope bayo;

25 Zitî nenkwenkwezi zezulu zivutûluke; atî namandla asemazulwini azanyazanyiswe.

26 Baya kumbona-ke ngeloxesha uNyana womntu esiza esemafini, enamandla amakûlu nobuqaqauli.

27 Uya kuzitûma ngeloxesha izitûnywa zakê, abahlanganisele ndawo-nye abanyulwa bakê, bapûme kumacala omane omoya, kutâbatêla esipêlweni somhlaba kuse esipêlweni sezulu.

28 Wufundeni-ke kuwo umkîwane umzekeliso; xa selitê latâmbâ isebe lawo, lahluma amagqabi, niyazi ukuba likufupî ihlobo;

29 Ngokukwanjalo nani, xa nitê nazibona ezozinto zisihla, yazini ukuba kukufupî, sekusemnyango.

30 Inene nditî kuni, Asisayi kudlula esisizukulwana, zingadanga zonke ezozinto zibekô.

31 Liya kudlula izulu nomhlaba, ke wona amazwi am akasayi kudlula.

32 Kodwa akukô bani uwaziyo lomhla nelolixa, *azazi* nezitûnywa eziseczulwini, *akazi* no-Nyana-lo, kupêla ngu-Yise.

33 Lumkani, musani ukulala, tândazani; kuba ningalazi ukuba lininina ixesha-elo.

34 Njengokuba watî umntu ehambêla kwelinye, eshiya indlu yakê, wabanika igunya abakônzi bakê, elowo wamnika umsebenzi wakê, waza umgcini-mnyango wamwisela umtêtô ukuba alinde.

35 Lindani ngoko, ngokuba ningakwazi, ukuba kuninina ukuza komnini-ndlu, kukô ngokuhlwa, kukô pâkatî kobusuku, kukô ekulileni kwenkuku, kukô kusasa;

36 Hleze afike ngebâqo anifumane nilele.

37 Oko ndikutsho kuni ndikutsho kubo bonke, Lindani.

14 Kekaloku bekuza kubakô i-pasika, izonka ezinge nagwele, emveni kwentsuku ezimbîni; baye-ke ababingeleli[1] abakûlu nababâli befuna ukuba bangatî-nina ukumbambâ ngenkohliso, bambulale.

2 Babesitî-ke, Makungabi kôna ngomtêndeleko, hleze kubekô isaqunge sabantu.

3 Kutê ese-Betani endlwini ka-Simon owaye neqênqa, akubon' ukuba uhleli, kweza umfazi enehlala le-labastile linamafutâ e-nadusi engangxengelelweyo e-

[1] Abenselelieli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

xabiso likûlu; walityumza ihlala-elo lelabastile, wamgalela ngawo entloko.

4 Kwaye-ke kukô abatîle abacapûkayo pâkatî kwabo, besitî, Yenzelwe-nina lencitô yamafutâ aqôliweyo?

5 Kuba lamafutâ bekungatêngiswayo ngawo ngenani elingapézu kwe-denariyo ezimakûlu matâtû, kupîwe amahlwempu; basuka bamfutèla.

6 Utê-ke u-Yesu, Myekeni; nimapûlela-nina? usebenze umsebenzi omhle kum;

7 Kuba amahlwempu lawo nihleli ninawo, nize xa sukuba nitânda nibe nakô ukuwenzela okulungileyo; ke mna anihleli ninam.

8 Yena ukwenzile abe nakô; upânge weza wawutâmbîsela ukuncwatywa umzimbâ wam.

9 Inene nditî kuni, Apô zitê zavakaliswa kôna ezindaba zilungileyo kulo lonke ihlabatî, iya kuxelwa nayo lento ayenzileyo yena, ibe sikûmbûzo ngaye.

10 U-Yuda Sikariyoti, omnye kwabeshumi elinababini, wesuka waya kubabingeleli [1] abakûlu, ukuba amnikele kubo.

11 Batî-ke bona bakuva bavuya; bambeka ngedinga lokumnika imali. Wayefuna ukuba angatî-nina ukumnikela ngexesha elimlungeleyo.

12 Kekaloku ngowokuqala umhla wezonka ezinge nagwele, xa bekubingelelwa *imvana* ye-pasika, batî kuye abafundi bakê, Unga singaya kulungisa pîna, ukuze uyidle i-pasika?

13 Asuse babini kubafundi bakê, atî kubo, Hambâni niye kuwo umzi, nohlangatyezwa ngumntu etwele umpânda wamanzi, mlandeleni;

14 Apô atê wangena kôna, notî kumnini-ndlu, Utî um-Fundisi, Ipîna indlu yabahambî, apô ndingayidlela kôna i-pasika nabafundi bam?

15 Yena wonibonisa igumbî elipézulu elikûlu, landlelwe lalungiswa; silungiseleleni apô.

16 Bapûma abafundi bakê abo baya kungena kuwo umzi, bafumana kunjengoko wayebaxelele, bayilungisa i-pasika.

17 Utî kwakuhlwa eze nabalishumi elinababini.

18 Bakubon' ukuba bahleli, bayadla, watî u-Yesu, Inene nditî kuni, omnye kuni aba uya kundinikela, lowo-ke udla nam.

19 Baqala-ke ukuba buhlungu nokutî kuye ngabanye, ngabanye, Ingaba ndim yinina? nomnye watî, Ingaba ndim yinina?

20 Upêndule-ke watî kubo, Ngomnye kwabeshumi elinababini, lowo-ke utî-nxu nam esityeni.

21 U-Nyana womntu uyemka okunene, njengoko kubâlwe ngaye; yeha-ke lomntu, u-Nyana womntu anikelwa nguye, ngekumlungele ukuba ebengazalwanga lomntu.

22 Bakubon' ukuba bayadla, u-Yesu watâbatâ isonka, wasikelela, waqèkeza, wabanika, watî, Tâbatâni nidle, ngumzimbâ wam lo.

23 Wayitâbatâ nendebe, wabulela, wabanika; basela kuyo bonke.

24 Watî kubo, Ligazi lam eli lomnqopîso omtsha, elipâlala ngenxa yabaninzi.

25 Inene nditî kuni, Andisayi kubuya ndisele esiqâmeni som-diliya, kude kube yilomini sukuba ndisisela sisitsha ebukumkanini buka-Tixo.

26 Bakuba bevumê ingoma yokubonga, bapûma baya entabeni yemi-Nquma.

27 Atî kubo u-Yesu, Nonke niya kukûbeka kum ngobubusuku; ngokuba kubâliwe kwatîwa: Ndiya kubetâ kumalûsi, zicitacîtwe izimvu.

28 Ke emveni kokuvuka kwam, ndiya kunandulela ndiye kwelase-Galili.

29 Watî-ke u-Petros kuye, Nokuba baya kukûbeka bonke, mna nakanye.

30 Atî u-Yesu kuye, Inene nditî kuwe, namhla-nje kwa ngobubusuku, ingekalili kabini inkuku, uya kundikânyela katâtû.

31 Kwaba kukôna watêtâ wancamisa esitî, Ndingafanelana ndimelwe kukufa nawe, andingekê ndikukânyele. Batsho-ke bonke.

32 Bafike kumhlatyana ogama liyi-Getsemane. Atî kubafundi bakê, Hlalani pântsi apâ ndikê nditândaze.

33 Atâbatê naye u-Petros no-Yakobi no-Yohane. Waqala ukuqîpuk'umbilini nokudandatêka kakûlu.

34 Atî kubo, Umpêfumlo wam ubuhlu-

[1] Abenzelelèli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

ngu kakûlu ngokokude ube sekufeni; hlalani apâ nilinde.

35 Ehambêle pâmbîli umganyana, wawa emhlabeni, watândazela ukuba kunokwenzeka lidlule kuye ilixa-elo.

36 Wayesitî, Abâ, Bawo, zonke izinto zinokwenzeka kuwe; yigqitise kum lendebe; noko-ke makungabi kokutândwa ndim, makube kokutândwa nguwe.

37 Uyeza, abafumane belele; atî ku-Petros, Simon, ulele-na? ubunge nakulinda noko lilinye-na ilixa?

38 Lindani nitândaze, ukuze ningangeni ekuhendweni; umoya okunene unentumekelelo, ke yona inyama itâmbîle.

39 Wabuya wemka, watândaza, etétâ kwa lona elozwi.

40 Utê, akubuya, wabafumana bebuye balala; kuba amehlo abo ayenzima butôngo; baye bengazi into abangampêndula yona.

41 Afike okwesitâtû, atî kubo, Lalani ngoku nipûmle; kwanele; lifikile ilixa; yabonani, u-Nyana womntu uyanikelwa ezandleni zaboni.

42 Vukani, sihambê; yabonani, lowo undinikelayo usondele.

43 Kwa oko, esatêtâ, atî-qatâ u-Yuda owaye ngoweshumi elinababini, enendimbâne enkulu, inamarele nentonga, isuka kubo ababingeleli [1] abakûlu nakubabâli nakuwo amadoda amakûlu.

44 Kekaloku, lowo umnikelayo wayebanike umqondiso, esitî, Lowo nditê ndamanga nguye, mbambêni, nimfole nimnqabisile.

45 Efikile, uye kuye kwa oko, atî, Rabî, Rabî; [2] wamanga.

46 Bamsa-ke izandla, bambambâ.

47 Utê-ke omnye wabo bebemi kôna wafola irele, wamxabela umkônzi wombingeleli [1] omkûlu, wamnqumla indlebe.

48 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Nipûmele ukuza kubambâ mna-na ninamarele nentonga-nje, nanga nipûmele isihange?

49 Bendikuni imihla ngemihla e-tempileni ndifundisa, anandibambâ; kodwa kunje ukuze zizaliseke izibâlo.

50 Bamshiya bonke, babaleka.

51 Wayelandelwa yindodana etîle, itêwambû i-linen entle emzimbêni; asuke ayibambâ-ke amadodana.

52 Itê yayilahla i-linen entle leyo, yabaleka kubo izé.

53 Bamfolela u-Yesu kumbingeleli [1] omkûlu, babutêlana kuye bonke ababingeleli [1] abakûlu namadoda amakûlu nababâli.

54 Waza u-Petros wamlandela, ebekele kude, wada waya ngapâkatî entendelezweni yendlu yombingeleli [1] omkûlu; waye ehleli pântsi ndawo-nye nama-dindala, esotâ umlilo.

55 Baye-ke ababingeleleli [1] abakûlu, nayo intlanganiso yamatyala ipêlele, befuna ubunqîna ngaye u-Yesu bokuze bambulalise; bengabufumani.

56 Kuba babe baninzi ababenqîna ubuxoki ngaye, baye ubunqîna babo bungayelelani.

57 Basuka abatîle banqîna ubuxoki ngaye, besitî,

58 Tîna samva yena esitî, Mna ndiya kuyicîta le-tempile yenziweyo ngezandla, ndize ngentsuku ezintatû ndakê enye engenziwe ngazandla.

59 Baye bungayelelani kwa ngokunjalo nobabo ubunqîna.

60 Wesuka wema pâkatî umbingeleli [1] omkûlu, wambuza u-Yesu, esitî, Akupênduli nento-le-na? banqîna nto-nina aba ngawe?

61 Wahlala-ke yena watî-tu, akapêndula nento. Wabuya umbingeleli [1] omkûlu wambuza watî kuye, Unguye-na u-Kristu, u-Nyana walowo ungowokubongwa?

62 Utê-ke u-Yesu, Ndinguye; niya kumbona nokumbona u-Nyana womntu ehleli ngasekunene kwamandla, esiza namafu ezulu.

63 Asuke-ke umbingeleli [1] omkûlu azirazule ingubo zakê, atî, Sisawafunelanina amanqîna?

64 Nikuvile ukunyelisa; kunjani kuni nina? Bamgweba-ke bonke ukuba unetyala lokuba afe.

65 Yaqala inxenye ukumtshicela, nokumgqubutêla ubuso, nokumntlita, nokutî kuye, Profeta; aye amadindala emtywarazа.

66 Kutî-ke, akubon' ukuba u-Petros u-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.
[2] Mfundisi.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

sentendelezweni ngezantsi, kuze omnye umkônzazana wombingeleli [1] omkûlu,

67 Ambone u-Petros esotâ ondele kuye, atî, Nawe ubunaye u-Yesu wase-Nazarete.

68 Wakânyela-ke esitî, Andiyazi, andiyiqondi kanye into oyitêtâyo wena. Wapûma waya pândle kwengapâmbîli intendelezo. Yalila-ke inkuku.

69 Umkônzazana ubuye wambona waqala ukutî kwabo babemi kôna, Lo ngowakubo.

70 Wapînda-ke wakânyela. Kutê, kwakuba mzuzwana, babuya abo babemi kôna, batî ku-Petros, Inyaniso ungowakubo; kuba ungowase-Galili, nokutêtâ kwakô kuyafana *nokwabo*.

71 Waqala-ke ukushwabula nokufunga, esitî, Andimazi lomntu nimtêtâyo.

72 Yalila okwesibini inkuku. Walikûmbûla-ke u-Petros ilizwi, abelitêtîle u-Yesu kuye, lokutî, Ingekalili inkuku kabini, uya kundikânyela katâtû. Watî akucinga, walila.

15 Batî, kwa oko kwakusa, ababingeleli [1] abakûlu benza ibûnga ndawonye namadoda amakûlu nababâli nentlanganiso yamatyala ipêlele; bambopâ u-Yesu, bemka naye, bamnikela ku-Pilato.

2 U-Pilato wambuza esitî, Unguye-na u-Kumkani wama-Yuda? Wapêndula-ke yena watî kuye, Nawe utsho.

3 Baye bemmangalela-ke ngendawo ezininzi ababingeleli [1] abakûlu.

4 Wabuya-ke u-Pilato wambuza, esitî, Akupênduli nento-na? kângela ukuba zininzi kwazo indawo abazinqîna ngawe.

5 Noko-ke u-Yesu akabangasapêndula nto yena, ngokokude amangaliswe u-Pilato.

6 Kekaloku, imitêndeleko ngemitêndeleko ubeqêle ukubakûlulela umbanjwa abe mnye, abasukuba bemcela.

7 Kwaye kukô-ke obekutîwa ngu-Barabas, ebotshwe ndawo-nye nabanye abenzi besaqunge, ababulalayo nokubulala esaqungeni apô.

8 Yanqangaza indimbâne, yaqala ukucela, ukuba enze ngoko abehlala esenza ngako kubo.

9 Wabapêndula-ke u-Pilato, esitî, Nitânda ukuba ndinikûlulele u-Kumkani wama-Yuda-na?

10 Kuba ebesazi ukuba ababingeleli [1] abakûlu abo bamnikele ngomona.

11 Ke bona ababingeleli [1] abakûlu bayixôkonxa indimbâne, *ukuba icele* ukuba kanye abakûlulele u-Barabas.

12 Wabuya wapêndula-ke u-Pilato, watî kubo, Ninga ndingamenza-nina ngoko lowo nitî ngu-Kumkani wama-Yuda?

13 Babuya-ke banqangaza *batî*, Mbetêle emnqamlezweni!

14 Watî-ke u-Pilato kubo, Kuba enze bubi bunina? Kwaba kungona-ke bancamisayo ukunqangaza, besitî, Mbetêle emnqamlezweni!

15 Kekaloku, u-Pilato ngokunga angayitômalalisa indimbâne wabakûlulela u-Barabas; emtyakatyile u-Yesu, wamnikela ukuba abetêlwe emnqamlezweni.

16 Ama-soldati amfolela ngapâkatî kwentendelezo, oko kukutî, endlwini ye-fuluneli; alibizele ndawo-nye ibutô-*lawo* lipêla;

17 Amambâtîse ngebomvu; aluke isitsaba sameva, amtî-jize ngaso,

18 Aqale ukumbulisa, atî, A Kumkani wama-Yuda!

19 Ayembetâ entloko ngengcongolo; ayemtshicela; ayeguqa ngamadolo, aqubude kuye.

20 Atî, akuba edlale ngaye, amhlube ebomvu, amambâtîsa kwa ezakê ingubo: amfolela pândle ukuze ambetêle emnqamlezweni.

21 Anyanzela umhambî otîle, u-Simon wase-Kirene, evela epândleni, lowo nguyise ka-Alesandire no-Rufo, ukuba awutwale umnqamlezo wakê.

22 Amzise endaweni ye-Gologota, oko kukutî ngentêtô evakalayo, Yindawo yekakayi.

23 Ayemnika i-wayini ene-more ukuba ayisele; kodwa akayamkelanga.

24 Atî akumbetêla emnqamlezweni, abelana ngengubo zakê, esenza amaqashiso ngazo, ukuze utîle atâbatê etîle.

25 Kekaloku, laye ililixa lesitâtû, abambetêla ngalo emnqamlezweni.

26 Waye umbâlo wetyala lakê ubâlwe ngapêzulu, kwatîwa, UKUMKANI WAMA-YUDA.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Abenzelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

27 Kwaye kubetêlwe naye emnqamlezweni izihange zizibini, esinye ngasekunene, nesinye ngasekôhlo kwakê.
28 Sazaliseka-ke esosibâlo sitî: Wabalelwa kwabacâsene nomtêtô.
29 Baye abadlulayo bemnyelisa, behlunguzela intloko zabo, besitî, Uha! wena ucîta i-tempile, uyakê ngentsuku ezintatû,
30 Zisindise, uhle emnqamlezweni.
31 Ngokukwanjalo nababingeleli[1] abakûlu bedlala ngaye pâkatî kwabo, benababâli, babesitî, Abanye wabasindisa, yena ngokwakê akanakuzisindisa.
32 U-Kristu u-Kumkani wakwa-Sirayeli makehle kaloku-nje emnqamlezweni, ukuze sibone sikôlwe. Baye nabo babebetêlwe emnqamlezweni kunye naye bemngcikiva.

33 Kekaloku, lakuba lilixa lesitândatû, kwehla ubumnyama pêzu kwawo wonke umhlaba, kwada kwalilixa lesitôba.
34 Ngalo ilixa lesitôba wadanduluka u-Yesu ngezwi elikûlu, esitî, Eloyi! Eloyi! lama sabaktani? oko kukutî ngentetô evakalayo, Tîxo wam! Tîxo wam! undishiyele-nina?
35 Inxenye yabebemi kona yakuva yatî, Yabonani, ubiza u-Eliya.
36 Wagidima-ke omnye, wazalisa imfunxa nge-viniga wayifaka engcongolweni, wamseza esitî, Kânenze kuhle, kêsibone ukuba u-Eliya woza kumtûla-na.
37 Watî-ke u-Yesu, ekûpê izwi elikûlu, wapûma umpêfumlo.
38 Lati ikûselo lengcwele lafazuka kubini, litâbatêla pêzulu lada lesa pântsi.
39 Ebonile-ke umtêtêli-kûlu obemi malunga naye, ukuba wenje njalo ukudanduluka wapûma umpêfumlo, utê, Inyaniso, lomntu ube ngu-Nyana ka-Tîxo.
40 Kwaye-ke kukô nabafazi, bekângele bemgama; kubo apô waye ngu-Mariya wase-Magadala, no-Mariya unina wo-Yakobi omnci noka-Yose, kwa no-Salome,
41 Ababesitî oko ebeba kwelase-Galili bamlandele, bamlungiselele; nabanye ababinzi ababenyuke naye ukuya e-Yerusalem.

42 Kutê sekuhlwile, ekubeni ibiyimini yokulungiselela, oko kukutî ngumhla opâmbî kwe-sabatâ,
43 Kweza u-Yosefu, owase-Arimati, umpâkatî obekekileyo, owayebulindile naye ubukumkani buka-Tîxo, waya kungena ngobuganga ku-Pilato, wacela umzimbâ ka-Yesu.
44 Wamangaliswa-ke u-Pilato kukuba selefile; ebizele kuye umtêtêli-kûlu, wambuza ukuba uselenexesha-na efile.
45 Wati akuqonda kumtêtêli-kûlu lowo wamnika u-Yosefu umzimbâ.
46 Yena etênge i-linen entle, wamtûla; wamsongela kuyo i-linen entle; wamlalisa encwâbeni elalixôlwe eweni; waqengqela ilityе emnyango wencwâba.
47 Baye-ke o-Mariya wase-Magadala, no-Mariya *unina* ka-Yose, bebona apô wayebekwe kôna.

16 Yakubon'ukuba idlule i-sabatâ, o-Mariya wase-Magadala, no-Mariya *unina* ka-Yakobi, no-Salome, batênga ubulawu, ukuba beze bamtâmbîse.
2 Batî, kwakusasa kakûlu, ngolokuqala usuku lwe-veki beza encwâbeni, lipûmile ilanga.
3 Baye betêtâ bodwa, besitî, Ngubanina oya kusiqengqela ilityе lisuke emnyango wencwâba?
4 Batî, bakukângela, babone ukuba liqengqiwe lesuka ilityе; kuba belilikûlu kakûlu.
5 Bakungena encwâbeni, babona indodana ihleli ngasekunene, izitê-wambû ngengubo ende emhlope, baqîpuka umbilini.
6 Itî-ke yona kubo, Musani ukuqîpuka umbilini; nifuna u-Yesu wase-Nazarete obebetêlwe emnqamlezweni; uvukile, akakô apâ; nantsi indawo abebembeke kuyo.
7 Hambâni-ke niye, nibaxelele abafundi bakê no-Petros ukutî, uyanandulela ukuya kwelase-Galili, nombona kôn'apô, njengokuba wayetshilo kuni.
8 Bapûma-ke kamsinya babaleka encwâbeni, baye-ke bepêtwe lungcangcazelo nokutî-nqa; abatêtâ nto nakubani, kuba bebesoyika.

9 Kekaloku, watî evukê kusasa u-Yesu ngolokuqala *usuku* lwe-veki wabonakala kuqala ku-Mariya wase-Magadala, awayekûpê kuye i-demon zasixênxe.
10 Waya yena wabikela abebe naye, bakubon' ukuba bakêdamile bayalila.
11 Basuke nabo, bakuva ukuba uhleli nokuba ukê wabonwa nguye, abakôlwa.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

12 Emveni koko-ke wabonakaliswa ngesinye isimilo kwababini bakubo behambå besinga emapåndleni.
13 Nabo baya babikela abanye; abakôlwa nangabo.

14 Kamva wabonakalaliswa kwabalishumi elinamnye, behleli ngasesitêbeni; wakungcikiva ukungakôlwa kwabo nobulukûni bentliziyo *zabo;* ngokuba bengakôlwanga ngabo babembonile evukile.
15 Wati kubo, Hambåni niye kulo lonke ihlabatî, nizivakalise indaba ezilungileyo kuyo yonke indalo.
16 Lowo ukôliweyo wabåptizwa wosindiswa; ke yena ongakôlwanga wogwetywa.

17 Imiqondiso-ke eya kulandelana nabo bakôliweyo nantsi: egameni lam baya kukûpå i-demon; baya kutêtå ngelwimi ezintsha;
18 Baya kupåtå inyoka; nokuba batê basela into ebulalayo, ayikukê ibenzakalise bona; baya kubeka izandla pêzu kwemilwelwe, ipîle.

19 Yati okunene ngoko yona i-Nkosi, emveni kokutêtå kubo, yanyuselwa ezulwini, yahlala ngasekunene kuka-Tîxo.
20 Ke bona bapûma, bavakalisa ezindaweni zonke, i-Nkosi isebenza nabo, iliqinisela ilizwi ngayo imiqondiso epêlekana *nalo.* Amen.

I-VANGELI

NGOKUBÅLWE

NGU-LUKA.

ISIQENDU I.

BETE-NJE-KE abaninzi bazamela ukucacisa ibali lezozinto ziziganeko påkatî kwetû,
2 Njengoko basinikelayo abo, batî kwasekuqaleni baba ngababoneli nezicaka zalo ilizwi,
3 Kwabonakala kulungile nakum, ndizilandile-nje ngokucokisekileyo zonke, ndizekela kwasentloko, ukuba ndikubålele ngokucacileyo, Teyofilo odume kunene,
4 Ukuze uyazi kakuhle ingqiniseko yamazwi owafundisiweyo ngomlomo.

5 Ngemihla ka-Herode ukumkani wakwa-Yuda kwaye kukô umbingeleli [1] otîle, ogama lingu-Zekariya, engoweqela lika-Abiya, nomfazi wakê engowasezintombîni zika-Aron, igama lakê lingu-Elizabete.
6 Bebe ngamalungisa-ke bobabini emehlweni ka-Tîxo, behambå ngayo yonke imitêtô nemimiselo ye-Nkosi, benge nakusoleka.
7 Baye benge namntwana, ngokokuba u-Elizabete ebengazali, kanjalo bobabini bebe sebekûlile.

8 Kwatî kekaloku, ekubupåtêni ububingeleli bakê ngexesha leqela lakê påmbi ko-Tîxo.
9 Ngokwesiko lobubingeleli, kwaba liqashiso lakê ukuba aqûmise ubulawu, akuba engene endaweni engcwele ye-Nkosi.
10 Yaye yonke inkitå yabantu itåndaza ngapåndle ngelixa lesiqûmiso.
11 Kwabonakala-ke kuye isitûnywa se-Nkosi simi ngasekunene kwesibingelelo sesiqûmiso.
12 Wakåtåzeka u-Zekariya, akusiboca, wangenelwa kukoyika.
13 Satî-ke isitûnywa-eso kuye, Mus' ukoyika, Zekariya; ngokokuba isikûngo sakô siviwe, wotî-ke umfazi wakô u-Eli-

[1] Umenzelelelî, ngokunye um-pristo.

Digitized by Google

zabete akuzalele unyana, umtîye igama elingu-Yohane.

14 Uya kuba nokuvuya nokugcoba, batî nabaninzi bakuvuyele ukuzalwa kwakê.

15 Kuba uya kuba mkûlu emehlweni e-Nkosi, angakê asele wayini nasiselo sinxilisayo; uya kuzaliswa ngu-Moya Oyingcwele kwasekuzalweni kwakê.

16 Nento eninzi-ke yonyana baka-Sirayeli uya kuyibuyisela e-Nkosini u-Tîxo wabo.

17 Yena uya kuhambâ pambî kobuso bayo enomoya enamandla ka-Eliya, ukuba azibuyisele intliziyo zoyise kubantwana, nabangevayo kuko ukuqonda kwamalungisa, alungisele i-Nkosi abantu abalungisiweyo.

18 Watî u-Zekariya kuso isitûnywa, Ndiya kukwazi nganina oko? kuba mna ndimdala, waye nomfazi wam selekûlile.

19 Sapêndula-ke isitûnywa, satî kuye, Mna ndingu-Gabriyeli [1] oma pâmbî ko-Tîxo, nditûnyiwe ukuba nditêtê kuwe, ndikushumayeze ezindaba zilungileyo.

20 Uyabona, uya kuba sisidenge, ungabi nakô ukutêtâ kude kube yimini, eziya kutî zenzeke ngayo ezizinto, ngenx' enokuba ungakôlwanga ngamazwi am, aya kuzalisekiswa wona ngexesha lawo.

21 Baye abantu bemlindile u-Zekariya, bemangalisiwe kukulibala kwakê endaweni engcwele leyo.

22 Utê-ke akupûma, akaba nakô ukutêtâ kubo; baqonda ukuba ubone umbono endaweni engcwele apô, waye yena emana ukunqwala kubo, wahlala engatêtî.

23 Kwatî yakut' ukuzaliseka imihla yombuso wakê, wemka waya endlwini yakê.

24 Emveni kwayo-ke lomihla u-Elizabete umfazi wakê watâbatâ, wazizimeza inyanga zantlanu, esitî,

25 Yenje nje i-Nkosi kum ngemihla eyandikângelayo, ukuba ikususe ukungcikiveka kwam pâkatî kwabantu.

26 Kekaloku, ngenyanga yesitândatû isitûnywa esingu-Gabriyeli [1] satûnyelwa ngu-Tîxo emzini welase-Galili ogama liyi-Nazarete,

27 Kwintombî eganelwe indoda egama lingu-Yosefu, yendlu ka-Davide, laye igama lentombî-leyo lingu-Mariya.

28 Sangena isitûnywa kuye, satî, Vuya wena ubabalweyo, i-Nkosi inawe, usikelelwe wena pâkatî kwabafazi.

29 Utê-ke akusibona weqîp' umbilini ngenxa yelizwi laso, wayecamanga ukuba ungaba mbuliso mnina lo.

30 Satî-ke isitûnywa kuye, Mus' ukoyika, Mariya; kuba ubabalwê ngu-Tîxo.

31 Uyabona, uya kutâbatâ esizalweni, uzale unyana, umtîye igama elingu-Yesu.

32 Yena uya kuba mkûlu, abizwe ngokuba ngu-Nyana w-Osenyangweni, i-Nkosi u-Tîxo iya kumnika i-trone ka-Davide, uyise,

33 Abe ngukumkani pêzu kwendlu ka-Yakobi kude kube ngunapâkade, nobukumkani bakê bungabi nasipêlo.

34 Watî-ke u-Mariya kuso isitûnywa, Kuya kutî-nina ukubakô oku, ndingazani nandoda-nje?

35 Sapêndula isitûnywa satî kuye, U-Moya Oyingcwele uya kuza pêzu kwakô, atî namandla Osenyangweni akusibekele; kungoko lonto ingcwele izalwa nguwe iya kubizwa ngokuba ngu-Nyana ka-Tîxo.

36 Uyabona, u-Elizabete ozalana nawe, naye umitê unyana ebudaleni bakê, nalé yinyanga yesitândatû kuye lowo bekutîwa ngongazaliyo;

37 Ngokuba akukô nanye into eya kumnqabela yena u-Tîxo.

38 Watî-ke u-Mariya, Nanko umkônzazana we-Nkosi, makwenzeke kum ngokwelizwi lakô. Saza isitûnywa semka kuye.

39 Kekaloku, wesuka u-Mariya ngalomihla, wasinga kwelentaba ngobunxâmo, emzini wakwa-Yuda;

40 Wangena endlwini ka-Zekariya, wambulisa u-Elizabete.

41 Kwatî, akuwuva u-Elizabete umbuliso ka-Mariya, lwasuka lwaxûma usana esizalweni sakê, wesuka wazala ngu-Moya Oyingcwele u-Elizabete.

42 Wadanduluka ngezwi elikûlu, watî, Unentsikelelo wena pâkati kwabafazi, sinentsikelelo nesiqâmo sezizalo sakô.

43 Kuhle nganina kum ukutî unina we-Nkosi yam eze kum?

44 Kuba uyabona, kutê lakubakô izwi lombuliso wakô ezindlebeni zam, lwasuka lwaxûma usana ngokugcoba esizalweni sam.

[1] Umfo ka-Tixo.

Digitized by Google

45 Unoyolo lowo wakôlwayo koko; ngokuba kuya kubakô inzaliseko yezozinto zitêtîweyo kuye yi-Nkosi.
46 Watî u-Mariya,
Umpêfumlo wam uyenza nkulu i-Nkosi,
47 Nomoya wam ugcobile ngo-Tîxo um-Sindisi wam;
48 Ngokuba wakukângela ukutôbeka komkônzazana wakê;
Kuba uyabona, ziya kuqala kwa ngoku ukutî ndingonoyolo zonke izizukulwana;
49 Ngokuba wandenzela izinto ezinkulu u-Somandla,
Lingcwele igama lakê.
50 Yaye inceba yakê ikwizizukulwana ngezizukulwana
Kwabo bamoyikayo.
51 Wenze amandla ngengalo yakê,
Wabacîtacîta abanefatshi ekucingeni kwentliziyo zabo.
52 Wabawisa abanamandla ezi-troneni zabo,
Wabapâkamisa abatôbekileyo.
53 Wahlutisa abalambîleyo ngento ezilungileyo;
Wabandululula abazityebi belambâtâ.
54 Wasiza u-Sirayeli, isicaka sakê,
Ngokukûmbûla inceba *yakê;*
55 Njengoko watêtâyo kobawo betû,
Ku-Abraham nakwimbêwu yakê ngonapâkade.

56 Wahlala-ke u-Mariya naye inyanga ngatî zaba ntatû, waza wabuyela ekâya.

57 Kekaloku, ixesha lika-Elizabete lazaliseka lokuba azale; wazala unyana.
58 Beva abamelwane nemizalwane yakê, ukuba i-Nkosi iyenze nkulu inceba yayo kuye, baye-ke bevuyisana naye.
59 Kwatî, ngomhla wesibôzo beza kumalûsa umntwana, baye bemtîya igama likayise *besitî* ngu-Zekariya.
60 Koko wapêndulayo unina, watî, Hayi; uya kubizwa ngokuba ngu-Yohane.
61 Batî kuye, Akukô namnye ubizwa ngelogama kwimizalwane yakô.
62 Baye-ke benqwala kuyise besitî, angatânda ukuba atîwe-nina ukubizwa.
63 Wabiza icwecwana, wabâla esitî, Igama lakê ngu-Yohane. Bamangaliswa bonke.
64 Wavuleka-ke kwa oko umlomo wakê, lwatûkululeka nolwimi lwakê, waman' etêtâ ebonga u-Tîxo.
65 Kwehla ukoyika pêzu kwalo lonke umelwane lwabo, kwaye kulo lonke elentaba lakwa-Yuda kuxoxwa ngazo zonke ezizinto.
66 Batî bonke abazivayo, bazibeka entliziyweni yabo, besitî, Azi uya kuba yinto-nina lomntwana? Saye isandla se-Nkosi sinaye.
67 U-Zekariya uyise wazala ngu-Moya Oyingcwele, waprofeta esitî,
68 Mayibongwe i-Nkosi u-Tîxo ka-Sirayeli;
Ngokuba ibavelele yabahlaulela yabakûlula abantu bayo.
69 Yasipâkamisela upondo losindiso
Endlwini ka-Davide isicaka sayo,
70 Njengoko yatêtâyo ngomlomo wabangcwele ababe ngaba-profeti bayo kwasepâkadeni;
71 Usindiso *lokusisindisa* ezintshabeni zetû, nasesandleni sabo bonke abo basitîyayo;
72 Ukubenzela inceba obawo betû
Nokukûmbûla umnqopîso wayo ongcwele,
73 Isifungo eyasifungela u-Abraham ubawo wetû,
74 Sokusinika ukuba sitî sihlangulwe esandleni sentshaba zetû,
Siyikônze singe nakoyika,
75 Ngobungcwele nangobulungisa emehlweni ayo, yonke imihla yobomi betû,
76 Nawe mntwana, uyakubizwa ngokuba ungum-profeti w-Osenyangweni,
Kuba uya kuhambâ pambî kobuso beNkosi, ulungise indlela zayo,
77 Ukuze ubanike abantu bayo ukwaziwa kosindiso
Ngoxolelo lwezono zabo,
78 Ngenxa yenceba nemfesane yo-Tîxo wetû,
Otê ngaye wasivelela umso wasenyangweni,
79 Ukuba ukânye kwabo bahleliyo emnyameni nasetûnzini lokufa,
Ukuba uzingenise inyawo zetû endleleni yoxolo.
80 Wakûla umntwana, waya esomelela ngomoya, waye esentlango kwada kwayimini yokubonakalaliswa kwakê ku-Sirayeli.

Digitized by Google

2 Kekaloku kwatĩ ngalomihla, kwapûma ummiselo ku-Kesare Augusto otĩ: Malibâlwe *encwadini* yomlibo wokuzalwa lonke elimiweyo.
2 Ololubâlo lwaba lolokuqala, akubon' ukuba u-Kireniyo uyi-ƒuluneli ye-Siriya.
3 Babesitĩ bonke baye kubâlwa, atĩ elowo aye kowakowabo umzi.
4 Wenyuka-ke no-Yosefu, evela kwelase-Galili, kumzi oyi-Nazarete, waya kwelakwa-Yuda, emzini ka-Davide, ekutĩwa yi-Betelehem, ngenxa yokuba ebe ngowendlu ka-Davide, engowemizalwane yakê,
5 Esiya kubâlwa eno-Mariya, umfazi lowo wayemganelwe, selekûlelwe.
6 Kekaloku kwatĩ, xa bakôna, yazalisека imihla yokuba azale.
7 Wamzala unyana wakê wamazibulo, wamsongela eziqiyeni, wamlalisa emkûmbĩni we-stali, ngenx' enokuba bebenge nandawo endlwini yabahambĩ.

8 Kwaye kukô abalûsi kwa kwelolizwe, behlala ezindle, belinda ebusuku imihlambĩ yabo.
9 Babona ngesitûnywa se-Nkosi simi pêzu kwabo, batĩ nobuqaqauli be-Nkosi bababengezelela ngenxa zonke, besuka boyika ngokoyika okukûlu.
10 Isitûnywa-eso satĩ kubo, Musan' ukoyika; kuba yabonani, ndinishumayeza indaba ezilungileyo zovuyo olukûlu, oluya kuba kubo bonke abantu;
11 Ngokuba nizalelwe namhla-nje emzini ka-Davide um-Sindisi ongu-Kristu i-Nkosi.
12 Nantsi-ke into eyoba ngumqondiso kuni: nofumana lusana lusongelweyo eziqiyeni, lulele emkûmbĩni we-stali.
13 Kwabakô ngesiqupê ndawo-nye nesitûnywa-eso inkitâ yomkosi wasezulwini, idumisa u-Tĩxo, isitĩ,
14 Uzuko ku-Tĩxo enyangweni,
Uxolo emhlabeni,
Inkolelo ebantwini.

15 Kwatĩ-ke, zakumka kubo izitûnywa zisiya ezulwini, abantu abo, abalûsi batĩ omnye komnye, Masesihambâ sisiya e-Betelehem apô, siyibone lento ihlileyo, esiyazisiweyo yi-Nkosi.
16 Beza ngobunxâmo, bamfumana u-Mariya, kwa no-Yosefu, nalo usana lulele emkûmbĩni we-stali.
17 Batĩ-ke, bakubona, balibêngeza ilizwi elabe litêtwe kubo ngaye lomntwana.
18 Batĩ bonke abo bevayo, bamangaliswa zezozinto zabe zitêtwe kubo ngabalûsi.
19 Waye-ke u-Mariya, ezigcina zonke ezizinto, eziguquguqula entliziyweni yakê.
20 Babuya abalûsi, bemzukisa bemdumisa u-Tĩxo ngenxa yazo zonke izinto abebezivile nabebezibonile, njengoko kwabe kutêtĩwe kubo.

21 Xeshikweni-ke zazizalisekile intsuku ezisibôzo zokuba umntwana alûswe, watĩywa igama elingu-Yesu, elo wabelitĩyiwe sisitûnywa sezulu, engekamitwa nokumitwa.

22 Xeshikweni-ke zazizalisekile intsuku zokuhlanjululwa kwabo ngokomtêtô ka-Moses, benyuka naye baya e-Yerusalem, ukuba bammise pâmbĩ kwe-Nkosi,
23 Njengoko kubâliweyo emtêtweni we-Nkosi, *kwatĩwa:* Yonke into eliduna evula isizalo ize kutĩwe ingcwele e-Nkosini, i-Ex. 13, 2.
24 Nokuba benze idini njengoko kutshiwoyo emtêtweni we-Nkosi *ukutĩ:* Isibini samahobe, nokuba ngamagobo amabini amazuba.
25 Kwaye-ke kukô umntu e-Yerusalem, ogama lingu-Simon, waye lomntu elilungisa, emoyika *u-Tĩxo*, elinde intutûzelo ka-Sirayeli; waye no-Moya Oyingcwele epêzu kwakê.
26 Wayehlatyelwe ngu-Moya Oyingcwele, ukuba akayi kubona kufa, engekamboni u-Kristu [1] we-Nkosi.
27 Weza ngaye u-Moya e-tempileni; kwatĩ, ekumngeniseni kwabo abazali umntwana u-Yesu, ukuba bamenze ngokwesiko lomtêtô,
28 Yena wamamkelela ezingalweni zakê, wabonga u-Tĩxo, watĩ,
29 Uyamndulula ngoku umkônzi wakô enoxolo,
Mnini-nto zonke, ngokwelizwi lakô;
30 Ngokuba amehlo am alubonile usindiso lwakô,
31 Olulungisileyo ebusweni bazo zonke izizwe,
32 Isikânyiso sokutĩlela in-Tlanga,
Uzuko lwabantu bakô ama-Sirayeli.

[1] **Um-Tânjiswa**, ngokunye u-Mesiya.

Digitized by Google

33 Babemangaliswa o-Yosefu nonina zezozinto zitêtwâyo ngaye.
34 U-Simon wabasikelela, watî ku-Mariya unina, Uyabona, lo umiselwe ukuwa nokuvuka kwabaninzi kwa-Sirayeli, nokuba abe ngumqondiso ocâsiweyo;
35 Ewe-ke nowakô umpêfumlo ifele liya kuwutyûtyâ; ngokokuze zibe nokutŷilwa izicamango ezipûma ezintliziyweni ezininzi.
36 Kwaye kukô no-Ana um-profetikazi, intombî ka-Fanuweli, wesizwe sika-Ashere. Yena wayeselekûlile kakûlu, wayeke ebehleli nendoda iminyaka esixênxe etâbatêla ebuntombîni bakê.
37 Waye yena engumhlolokazi ominyaka ngatî imashumi asibôzo anamine, obengemki e-tempileni, ekônza *u-Tixo* ngokuzila ukudla nangokukûnga ubusuku nemini.
38 Yena wayemele kufupî ngelolixa, watêlela ekuyidumiseni i-Nkosi, wayetêtâ ngayo kubo bonke abo bebelinde ukukûlulwa ngentlaulelo e-Yerusalem.
39 Bakuba bezigqibile zonke izinto ngokomtêtô we-Nkosi, babuyela kwelase-Galili emzini wabo i-Nazarete.

40 Kekaloku wakûla umntwana, waya esomelela emoyeni ezele bulumko; lwaye nobabalo luka-Tîxo lupêzu kwakê.

41 Baye-ke abazali bakê behambêla e-Yerusalem, iminyaka ngeminyaka yonke emtêndelekweni we-pasika.
42 Kutê, xa abe minyaka ilishumi elinamibini ezelwe, bakubon' ukuba banyuke baya e-Yerusalem ngokwesiko lomtêndeleko-lowo,
43 Bakubon' ukuba bazigqibile-ke intsuku-ezo, ekubuyeni kwabo, umntwana u-Yesu wasalela e-Yerusalem; babengazike u-Yosefu nonina;
44 Babeba-ke bona usemkôkweni wabahambî, bahambâ uhambô lwamini nye, bamana bemfuna pâkatî kwemizalwana manâkatî kwabazana nabo.
45 Batê bakuba bengamfumani, babuyela e-Yerusalem, bemfuna.
46 Kwatî, emveni kwemihla emitâtû bamfumana e-tempileni, ehleli pâkatî kwabafundisi, ebapûlapûla ebuy' ebabuza.
47 Basuka bonke ababempûlapûla batînda yingqondo yakê nazimpêndulo zakê.
48 Bakumbona bakwanqiswa. Unina watî kuye, Mntwanam, yinina ukuba usenje nje? uyabona, uyihlo nam sibe sikufuna sibuhlungu kakûlu.
49 Watî kubo, Benindifunela nto-nina? beningazi-na ukuba ndimelwe kukuba ndibe semicimbîni ka-Bawo?
50 Ke bona abayiqondanga into awayeyitêtâ kubo.
51 Wehla nabo, waya kufika e-Nazarete, wabalulamela. Wamana ukuzigcinake unina zonke ezondawo entliziyweni yakê.

52 Waye u-Yesu ehambêla pâmbîli ebulumkweni nasebukûlwini, nasekutândweni ngu-Tîxo nangabantu.

3 Kekaloku, ngomnyaka weshumi elinantlanu wokulaula kuka-Tiberiyo Kesare, ingu-Pontiyo Pilato i-fuluneli kwelakwa-Yuda, ingu-Herode umpâtî *wesahlulo* sesine esilelase-Galili, ingu-Filipu-ke umzalwana wakê umpâtî *wesahlulo* sesine esilelase-Yitureya nelizwe le-Trakoniti, ingu-Lisaniyo umpâtî *wesahlulo* sesine esilelase-Abilene,
2 Ngexa labababingeleli[1] abakûlu o-Anas no-Kayafa, lafika ilizwi lika-Tîxo ku-Yohane unyana ka-Zekariya entlango.
3 Weza kuwo wonke ummandla waseYordan, evakalisa u-bâptizo lwenguquko ukuze kuxolelwe izono;
4 Njengoko kubâliweyo encwadini yamazwi ka-Yesaya um-profeti, esitî:
Izwi lodandulukayo entlango, lisiti,
Yilungiseni indlela ye-Nkosi,
Wutyenenezeni umendo wayo;
5 Yonke imifula iya kudityelelwa,
Nazo zonke intaba nenduli ziya kutôtywa,
Nendawo ezigoso ziya kutî-tye,
Nezibugqagala ziya kuba zindlela ezigudileyo,
6 Bonke abantu baya kulubona usindiso luka-Tîxo. u-Yes. 40, 1

7 Wayesitî ngoko kuyo indimbâne eyayipûma isiza kubâptizwa nguye, Nzalandini yamafambâ, ngubanina owanibonisayo, ukuba niyibaleke ingqumbô ezayo?
8 Velisani ngoko iziqâmo eziyifaneleyo inguquko, ize ningaqali, nitî ngapâkatî kwenu, Tîna sinobawo u-Abraham: ku-

[1] Abenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

ba nditi kuni, Unakô u-Tixo kuwo lamatye ukumvelisela abantwana u-Abraham.
9 Kananjalo izembê selibekiwe engcanjini yemiti; ngoko umti wonke ongavelisi siqâmo sihle, uyagaulwa upôswe emlilweni.
10 Yaye indimbâne ibuza kuye, isiti, Masenze nto-nina-ke?
11 Apêndule-ke ati kubo, Lowo unengubo zangapântsi ezimbini makabele ongenayo, nalowo unokudla, makenje njalo.
12 Kweza-ke nababuti be-fafu ukuba babâptizwe, bati kuye, Mfundisi, masenze nto-nina?
13 Wati-ke kubo, Ningabizi okungapêzu kwenikumiselweyo.
14 Ayebuza kuye-ke nama-soldati, esiti, Masenze nto-nina-ke tina? Wati kuwo, Ningapângi mntu ngokumoyikisa, ningadli *mntu* ngokumtŷola; yanelani yimivuzo yenu.

15 Kekaloku bakubon' ukuba abantu balindile, becamanga bonke ezintliziyweni zabo ngaye u-Yohane, ukuba akangebi nguye-na u-Kristu,
16 Wapêndula u-Yohane kubo bonke esiti, Mna okunene ndinibâptiza ngamanzi; kodwa uyeza lowo unamandla kunam, endingafanelekileyo ukuba ndiwutûkulule nomtya wembâdada zakê; uya kunibâptiza ngo-Moya Oyingcwele nangomlilo yena;
17 Omnyazi wokwela usesandleni sakê, uya kusicokisa kuti-tu isanda sakê, ayibutêle kuvimbâ wakê inqôlowa, ke wona umququ uya kuwutshisa ngomlilo ongacimekiyo.

18 Waye-ke ngoko evuselela nangezinye izinto ezininzi, eshumayela indaba ezilungileyo ebantwini.
19 Kekaloku u-Herode umpâti *wesahlulo* sesine selizwe ohlwayiwe nguye ngenxa ka-Herodiya umfazi ka-Filipu umninawe wakê, nangenxa yezinto zonke ezingendawo abezenzile u-Herode,
20 Wongezelela nalé kuzo zonke yokuba amvalele entolongweni u-Yohane.

21 Kekaloku kwati, ekubeni bebâptiziwe abantu bonke, ebâptizwa naye u-Yesu, etândaza nokutândaza, lasuka lavuleka izulu,
22 Wehla pêzu kwakê u-Moya Oyingcwele unembônakalo yomzimbâ onjengehobe. Kweza nezwi elipûma ezulwini lisiti, Wena ungu-Nyana wam oyintânda, endikôlisiweyo nguwe.
23 *Waye* u-Yesu eminyaka ngati imashumi matâtû ezelwe, ukuqala kwakê *ukufundisa*, engobekusitiwa ngunyana ka-Yosefu, ka-Heli,
24 Ka-Matati, ka-Levi, ka-Meleki, ka-Yana, ka-Yosefu,
25 Ka-Matatiya, ka-Amos, ka-Nahum, ka-Esli, ka-Nagayi,
26 Ka-Mahati, ka-Matatiya, ka-Shimehi, ka-Yosefu, ka-Yuda,
27 Ka-Yohanan, ka-Resha, ka-Zerubabeli, ka Shalatiyeli, ka-Neri,
28 Ka-Meleki, ka-Adi, ka-Kosam, ka-Elmodam, ka-Ere,
29 Ka-Yose, ka-Eliyezere, ka-Yoram, ka-Matati, ka-Levi,
30 Ka-Simon, ka-Yuda, ka-Yosefu, ka-Yonan, ka-Eliyakim,
31 Ka-Maleya, ka-Mina, ka-Matata, ka-Natan, ka-Davide,
32 Ka-Isayi, ka-Obede, ka-Bohazi, ka-Salemon, ka-Nashon,
33 Ka-Aminadabi, ka-Aram, ka-Hetseron, ka-Peretse, ka-Yuda,
34 Ka-Yakobi, ka-Isake, ka-Abraham, ka-Tera, ka-Nahore,
35 Ka-Serugi, ka-Rehu, ka-Pelege, ka-Hebere ka-Shela,
36 Ka-Kenan, ka-Arpakishadi, ka-Shem, ka-Nowa, ka-Lameki,
37 Ka-Metusela, ka-Enoki, ka-Yerede, ka-Mahalaleli, ka-Kenan,
38 Ka-Enos, ka-Sete, ka-Adam, ka-Tixo.

4 Kekaloku, wati u-Yesu, ezele ngu-Moya Oyingcwele, wabuya e-Yordan, wesiwa ngu-Moya entlango.
2 Wantsuku zimashumi mane ehendwa ngumtŷoli. Akadla nto ngezontsuku; zakupêla-ke walambâ.
3 Wati umtŷoli kuye, Ukuba ungu-Nyana ka-Tixo, yitsho kwelilitye libe sisonka.
4 U-Yesu wampêndula esiti, Kubâliwe *kwatiwa:* Akungasonka sodwa aya kupila umntu, kungamazwi onke ka-Tixo.
5 Umtŷoli, emnyuse entabeni epâkamileyo, wambonisa zonke izikumkani zelimiweyo, ngesiqupê sexesha.
6 Wati-ke umtŷoli kuye, Ndokunika bonke obubukôsi *bazo* nozuko lwazo; ngo-

Digitized by Google

kuba bunikelwe kum; nosukuba nditânda ndiyamnika bona;

7 Ukuba ngoko utê wena waqubuda pâmbî kwam, konke *oko* koba kokwakô.

8 U-Yesu wampêndula watî, Suk'umke uye emva kwam, Satana, ngokuba kubâliwe *kwatîwa:* Uz'uqubude e-Nkosini u-Tîxo wakô, ukônze yena yedwa.

9 Wamsa e-Yerusalem, wammisa elucôcôyini lwe-tempile, watî kuye, Ukuba unguye u-Nyana ka-Tîxo, zipôse ezantsi pâya.

10 Kuba kubâliwe *kwatîwa:*
Uya kuziwisela umtêtô ngawe izitûnywa zakê, ukuba zikugcine,

11 *Kwatîwa:*
Ziya kukufukula ngezandla,
Hleze ubetêke etyeni ngonyawo lwakô. in-Dum. 91, 11.

12 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Kutîwe: Uz' ungayihendi i-Nkosi u-Tîxo wakô.

13 Waza umtyôli, ekugqibile konke ukuhenda, wesuka kuye, umzuzu.

14 Wabuya u-Yesu enamandla o-Moya, weza kwelase-Galili; kwapûma udaba ngaye, lwaya kulommandla wonke.

15 Wabe yena efundisa ezindlwini zabo zesikûngu, ezukiswa ngabo bonke.

16 Wafika e-Nazarete, apô wayondlelwe kôna, wangena ngokwesiko lakê ngomhla we-sabatâ endlwini yesikûngu, wesuka wema ukuba alese.

17 Wanikelwa incwadi ka-Yesaya umprofeti, watî, akuba eyitwabulule incwadi-leyo, wafumana indawo le kubâlwe kuyo *kwatîwa:*

18 U-Moya we-Nkosi upêzu kwam,
Etê ngenxa yoko yanditâmbîsela ukushumayela indaba ezilungileyo kumahlwempu,
Inditûme ukuba ndipîlise abantliziyo ityumkileyo, ndivakalise inkululeko kubatînjwa
Nokubuyiselwa kokubona kwabazimfama,
Ndindulule abaqôbekileyo bekûlulekile,

19 Ndivakalise umnyaka owamkelekileyo we-Nkosi. u-Yes. 61, 1.

20 Eyisongile-ke incwadi, wayibuyisela kwisicaka, wahlala pântsi. Aye amehlo abo bonke abasendlwini yesikûngu enamatêle kuye.

21 Waqala-ke ukutî kubo, Namhla-nje esisibâlo sizalisekile ezindlebeni zenu.

22 Baye bonke bemnqînela, bemangaliswa ngamazwi amnandi apûma emlonyeni wakê; babesitî, Lo asinguye-na unyana ka-Yosefu?

23 Watî kubo, Kakade niya kuwutêtâ kum lomzekeliso utî; Gqîfa, zipîlise; okungangoko sikuve kwenzeke e-Kapernahum, kwenze nakowenu apâ.

24 Watî-ke, Inene nditî kuni, Akukô m-profeti wamkelekileyo kowabo.

25 Kodwa inene nditî kuni, Babe baninzi abahlolokazi kwa-Sirayeli ngemihla ka-Eliya, oko lalivingcekile izulu iminyaka emitâtû enenyanga ezintandatû, xeshikweni kwakukô indlala enkulu kulo lonke ilizwe;

26 Kanti u-Eliya akatûnywanga nakumnye kubo, *watûnywa* e-Tsarfati yakwa-Tsidon kumhlolokazi kwakupêla.

27 Kanjalo babe baninzi abaneqênqa kwa-Sirayeli ngexesha lika-Elisha um-profeti; kanti-ke akuhlanjululwanga namnye kubo, yaba ngu-Nahaman um-Siriya kwakupêla.

28 Bazala ngumsindo bonke ababe sendlwini yesikûngu bakuziva ezozinto.

29 Besuka bamkûpêla ngapândle komzi, bamfolela elunqâmekweni lwentaba, owakêlwe kuyo umzi wabo, ukuze bampêse ezantsi eweni.

30 Usuke yena wacanda pâkatî kwabo, wemka.

31 Wehla waya e-Kapernahum, umzi welase-Galili, wayebafundisa nge-sabatâ.

32 Baye-ke bekwanqiswa kufundisa kwakê; ngokuba ilizwi lakê belinegunya.

33 Kwaye kukô endlwini yesikûngu apô umntu onomoya we-demon encôlileyo, wakâla ngezwi elikûlu,

34 Esitî, Yô! yinina enatî nawe, Yesu wase-Nazarete? uze kusitshabalalisa-na? Ndiyakwazi wena lowo unguye, ung-Oyingcwele ka-Tîxo.

35 Wawukâlimela u-Yesu, esitî, Yitî-tu, upûme kuye. Yasuka i-demon yamjukela esazulwini, yapûma kuye, ingamenzakalisanga.

36 Besuka batî-qîp' umbilini bonke, baye betêtâ bodwa besitî, Lizwi linina eli?

Digitized by Google

lento abatêtêla ngegunya nangamandla omoya abancôlileyo aba, baze bapûme.
37 Lwaye lupûma udaba lwakê lusiya kuzo zonke indawo zalommandla.
38 Esukile endlwini yesikûngu, wangena endlwini ka-Simon, waye-ke umkwekazi ka-Simon, ebanjwe yicesina enkulu; bambika kuye.
39 Wema pêzu kwakê, wayikâlimela icesina, yamyeka; evukile-ke kwa ngoko waman' ebalungiselela.

40 Kutê-ke, bakubon' ukuba liyatshona ilanga, bonke abo babe nabafayo zizifo ngezifo, babazisa kuye, wazibeka izandla pêzu kwabo bonke ngabanye, wabapîlisa.
41 Zaye-ke ne-demon zipûma kwabaninzi, zikâla zisitî, Wena unguye u-Kristu unyana ka-Tîxo. Utê ezikâlimela, akazivumela ukuba zitêtê; ngokuba bezimazi ukuba unguye u-Kristu.

42 Kwakusa wapûma waya endaweni eyintlango, zaye indimbâne zimfuna, zada zaza kufika kuye, zazimbambêzela ukuba angemki kuzo.
43 Utê-ke kuzo, Ndimelwe kukuba ndizishumayele indaba ezilungileyo zobukumkani buka-Tîxo nakweminye imizi, ngokuba nditûnywe oko.

44 Waye ezivakalisa-ke ezindlwini zesikûngu zelase-Galili.

5 Kekaloku kutê, ekubeni imxinile indimbâne iza kuva ilizwi lika-Tixo, wesuka wema ngasedikeni lase-Genesarete.
2 Wabona imikômbe emibini imi ngasedikeni apô; babe-ke ababambîsi bentlanzi bepûmile kuyo, behlambâ iminatâ yabo.
3 Watî-ke, engene komnye umkômbê owawungoka-Simon, wamcela ukuba akê akwelelise kancinane emhlabeni; waza ehleli pântsi, waman' ezifundisa indimbâne esemkômbêni apô.
4 Akupêza-ke ukutêtâ, watî ku-Simon, Kwelelisela enzulwini, nihlise iminatâ yenu kubanjiswe.
5 Wapêndula u-Simon watî kuye, Mongameli, sibulaleke ubusuku bupêla, asabambâ nento; kodwa ngelakô ilizwi ndiya kuwuhlisa umnatâ.
6 Batî, bakukwenza oko, bavingcela inkitâ enkulu yentlanzi, wawuqâqêka-ke umnatâ wabo.
7 Bakôba amahlulelana abo abe komnye umkômbe, ukuba eze kuncedisana nabo. Beza, bayizalisa imikômbe yomibini, yada yafun' ukutshona.
8 Utê-ke akukubona *oko* u-Simon Petros, wawa emadolweni ka-Yesu esitî, Mka kum, ngokuba ndiyindoda engumoni, Nkosi.
9 Kuba watî-makatâ kwa nabo bonke ababe naye, ngobanjiso lwentlanzi ezo bazibambîsayo.
10 Baba kwanjalo-ke no-Yakobi no-Yohane, onyana baka-Zebedi, ababe ngamadlelane no-Simon. U-Yesu watî ku-Simon, Mus' ukoyika; uya kutâbatêla kwelixesha ubambîsa abantu.
11 Bakuyifikisa imikômbê emhlabeni, bashiya into yonke, bamlandela.

12 Kwatî ekomnye umzi, babona ngendoda ezele liqênqa; yatî yakumbona u-Yesu yawa ngobuso, yamkûnga, sitî, Nkosi, ukuba uyatânda, unakô ukundihlambûlula.
13 Wasolula isandla, wayicûkumisa, esitî, Ndiyatânda, hlambûluka. Latî kwa oko iqênqa lemka kuyo.
14 Wayitêtêla yena ngelitî, Mayingaxeleli bani. Watî, Yiya kuzibonisa kumbingeleli,[1] usondeze *idini* ngenxa yokuhlanjululwa kwakô, njengoko wamisayo u-Moses, kube bunqîna kubo.
15 Kwabakukôna-ke lwahlakazekayo udaba ngaye; kwaye kubutêlana indimbâne enkulu ukuza kupûlapûla, nokupîliswa nguye ebulwelweni bayo.
16 Waye-ke yena ebeman' ukuzisitêlisa ezindaweni ezizintlango, atândaze.
17 Kwatî-ke ngamini itîle wafundisa; kwaye kuhleli aba-Farisi nabafundisi-mtêtô, ababepûme kuyo yonke imizana yelase-Galili neyelakwa-Yuda nase-Yerusalem; aye ekô amandla e-Nkosi ukuba abapîlise.
18 Kwabonakala amadoda etwele ngokûko umntu obe nedumbê, ayefuna ukumngenisa, ambeke pâmbî kwakê.
19 Atî, akuba engafumani ndawo angamngenisa ngayo ngenxa yendimbâne, akwela pêzu kwendlu, *agqoboza* ezifulelweni amhlisa ndawonye nokûko, *ambeka* pâkatî pâmbî ko-Yesu.

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

20 Akulubona-ke ukôlo lwawo, watî kuye, Mntundini, uzixolelwe izono zakô.
21 Baqala ukucamanga ababâli naba-Farisi besitî, Ngubanina lo utêtâ izinyeliso? Ngubanina onakô ukuxolela izono, inge nguye u-Tîxo yedwa.
22 Eziqiqile-ke u-Yesu izicamango zabo, wapêndula watî kubo, Nicamanga ntonina ezintliziyweni zenu?
23 Okôna kulula kukupîna, kukô ukutî, Uzixolelwe izono zakô, kukô nokutî, Vuka uhambê?
24 Ke ukuze nazi, ukuba unalo igunya u-Nyana womntu lokuxolela izono emhlabeni apâ, selesitî konedumbê, Nditî kuwe, Vuka, utâbatê ukûko lwakô, uye endlwini yakô.
25 Usuke wema kwa ngoko pâmbî kwabo, wayitâbatâ lonto abelele kuyo, wemka waya endlwini yakê, ezukisa u-Tîxo.
26 Besuka batî-nqa bonke, bamzukisa u-Tîxo, bazala kukoyika besitî, Sibone izanga namhla-nje.

27 Kekaloku emveni kwezizinto wapûma, wabona umbutî we-ŕafu, ogama lingu-Levi, ehleli endaweni ye-ŕafu, watî kuye, Ndilandele.
28 Washiya konke, wesuka wamlandela.
29 Waza u-Levi wamenzela isidlo esikûlu endlwini yakê. Kwaye kukô iqela elikûlu lababutî be-ŕafu nelabanye, ababehleli ngasesitêbeni nabo.
30 Baye ababâli babo naba-Farisi bebaŕoŕela abafundi bakê, besitî, Kunganina ukuba nidle nisele nababutî be-ŕafu naboni?
31 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Akufuneki gqiŕa kwabapîlileyo, *lifuneka* kwabafayo.
32 Andize kubiza malungisa, ndize kubiza aboni, ukuba baguquke.
33 Kekaloku batî kuye, Kunganina ukuba abafundi baka-Yohane bazile ukudla futî, benze nezikûngo; benje njalo nababa-Farisi; kanti-ke bona abakô bayadla basele?
34 Watî-ke kubo, Ninakô yinina ukubazilisa ukudla abegumbî lomtshakazi, xa asenabo umyeni?
35 Kodwa kofika mihla awoza asuswe kubo umyeni, bandule-ke ukuzila ngalomihla.
36 Kekaloku wabetêtâ nomzekeliso kubo esitî, Akukô ubeka isiziba sengubo entsha engutyeni endala; okanye woba uŕazula leyo intsha, sitî nesiziba-eso sentsha singavumani nendala.
37 Kanjalo akukô utâ i-wayini entsha ezintsubeni ezindala; okanye yozigqabuza intsuba i-wayini entsha, ipâlale yona, zitshabalale nentsuba.
38 Yona i-wayini entsha ifanel' ukutîwa ezintsubeni ezintsha, zigcinakale ezonto zombîni.
39 Kanjalo akukô, utî, ebesele endala, atânde entsha kwa oko, ngokuba utî, Endala yeyona inencasa.

6 Kwatî-ke ngeyesibini kwezokuqala isabatâ, wacanda emasimini, baye abafundi bakê besikâ izikŵebu, bazidla, bezihlikihla ngezandla.
2 Batê-ke abatîle baba-Farisi kubo, Yinina ukuba nenze oko kungavumelekileyo nge-sabatâ?
3 Wabapêndula u-Yesu watî, Anikânga nikulese-na oko wakwenzayo u-Davide, mhlenikweni walambâyo yena nabo babe naye?
4 Okokuba wangena endlwini ka-Tîxo, wazitâbatâ izonka ezibekwe pâmbî *ko-Tîxo*, wazidla wanika nabo babe naye, ezoke kungavumelekileyo ukuba zidliwe bantu, inge ngabo ababingeleli [1] bodwa.
5 Wayesitî kubo, U-Nyana womntu lo uyinkosi yayo ne-sabatâ.

6 Kwatî kekaloku, nangenye i-sabatâ wangena endlwini yesikûngu, wafundisa. Kwaye kukô apô umntu owome isandla sokunene.
7 Baye-ke bemlalele ababâli naba-Farisi, ukuba wopîlisa-na nge-sabatâ; ukuze bafumane indawo yokummangalela.
8 Kodwa yena, ebezazi izicamango zabo, watî kulomntu usandla somileyo. Pâkama umele pâkatî. Usukile-ke wema.
9 Utê ngoko u-Yesu kubo, Ndiya kunibuza into; okuvumelekileyo nge-sabatâ kukwenza okulungileyo, kukwenza okubi, kusinina? kusindisa ubomi, kubulala, kusinina?
10 Akuba ebasingasingile bonke, watî kumntu lowo, Solule isandla sakô. Wenje njalo-ke; sabuya sapîla-ke isandla sakê sakwanjengesinye.
11 Basuka-ke bona bazala bugeza, babe-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste

Digitized by Google

tétâ bodwa, ukuba bangamenza nto-nina u-Yesu.

12 Kwatî-ke ngalomihla, wapûma wasinga entabeni, esiya kutândaza. Wayebudlulisa ubusuku bonke ngokutândaza ku-Tîxo.
13 Kwatî kwakusa, wababizela kuye abafundi bakê, wanyula kubo balishumi elinababini, awatî kananjalo wabatîya elokuba ngaba-postile:
14 U-Simon awamtîya nelokuba ngu-Petros, no-Andreya umzalwana wakê; u-Yakobi no-Yohane; u-Filipu no-Bartolomeyu;
15 U-Mateyu no-Tomas; u-Yakobi loka-Alifeyu no-Simon ekutîwa ngum-Zeloti;
16 U-Yuda ka-Yakobi, no-Yuda Sikariyoti owaba ngumncâtshi.
17 Wehla nabo, wema endaweni etê tyaba, neqela labafundi bakê nenkitâ enkulu yabantu, bevela kulo lonke elakwa-Yuda nase-Yerusalem nakulo ilizwe elingaselwandle lase-Tire ne-Tsidon, ababeza kumva, nokuba bapîliswe kuzo izifo zabo;
18 Nabo babekâtâzwa ngomoya abancôlileyo baye bepîliswa.
19 Yaye nendimbâne yonke ifuna ukumcûkumisa; ngokuba kube kupûma amandla kuye, abapîlise bonke.

20 Waza yena wawapâkamisela amehlo akê kubo abafundi bakê, watî, Ninoyolo nina mahlwempu; ngokuba bobenu ubukumkani buka-Tîxo.
21 Ninoyolo nina nilambâyo kaloku-nje; ngokuba niya kuhlutiswa. Ninoyolo nina nililayo kaloku-nje; ngokuba niya kuhleka.
22 Ninoyolo nina, xa batê abantu banitîya, naxa batê banigxota kubo, baningcikiva, balilahlela pândle igama lenu ngokungatî likôhlakele, ngenxa yakê u-Nyana womntu.
23 Vuyani ngalomini, nisuke imitsi; kuba niyabona, umvuzo wenu mkûlu ezulwini, kuba babe senje njalo oyise kubo aba-profeti.
24 Kodwa yeha, nina zityebi! ngokuba niyifincile intutûzelo yenu.
25 Yeha, nina nihlutiyo! ngokuba niya kulambâ. Yeha, nina nihlekayo kaloku-nje; ngokuba niya kukêdama nilile.
26 Yeha, nina, xa batê batêtâ kakuhle ngani bonke abantu; kuba oyise babo babesenje njalo kuba-profeti ababuxoki.

27 Kodwa-ke mna nditî kuni nivayo, Zitândeni intshaba zenu, yenzani okulungileyo kwabo banitîyayo.
28 Basikeleleni abo baniqalekisayo, nibatândazele abo banigxekayo.
29 Lowo ukubetâ esidleleni, mnikele nesinye; notâbatâ ingubo yakô yokwaleka, ungali neyangapântsi.
30 Bonke-ke abacela kuwe bapê; kotâbatâ into zako ungabuye uzibize.
31 Enitânda ukuba abantu benze ngako kuni, yenzani nani kwa ngokunjalo kubo.
32 Ukuba nitânda abo banitândayo, ninambulelo mnina? ngokuba naboni bayabatânda abo babatândayo.
33 Xa nitî nenze okulungileyo kwabanenzela okulungileyo, ninambulelo mnina? ngokuba naboni benza kwa lonto.
34 Xa nitî niboleke abo, nitêmbe ukubuya nizuze kubo, ninambulelo mnina? kuba naboni bayababoleka aboni, ukuze babuye bazuze kwa ngangoko.
35 Ke *nina* zitândeni intshaba zenu, nenze okulungileyo; niboleke ningatêmbê luto, woba mkûlu-ke umvuzo wenu, nize nibe ngonyana b-Osenyangweni; ngokuba yena enobubele kwabangabuleliyo nabangendawo.
36 Ngoko-ke yibani nenceba njengokuba naye u-Yihlo enenceba.
37 Musan' ukugweba, naye ningasayi kugwetywa; musan' ukusingela pântsi, naye ningasayi kusingelwa pântsi; kûlulani naniya kukûlulwa.
38 Yipâni, naniya kupîwa nani, umlinganiselo omhle, ohlohliweyo, ohlunguzelweyo, opâlalayo nowupîwa esondweni lengubo yenu; kuba umlinganiselo enilinganisela ngawo niya kulinganiselwa kwa ngawo nani.

39 Kekaloku watêtâ umzekeliso kubo esitî, Ingakê ibe nakô-na imfama ukukôkela imfama? aziyi kutî-na zombîni zeyele emhadini?
40 Akukô mfundi umkûlu kumfundisi wakê; ke wonke olungiswe kwapêla, uya kuba njengomfundisi wakê.
41 Yinina-ke ukuba usibone isibi esisesweni lomzalwana wakô, kanti-ke wona umqadi okwelakô iliso akuwuqiqi?

Digitized by Google

42 Ungatí-nina ukuba nakô ukutí kumzalwana wakô, Mzalwana, yeka ndisikûpê isibi esisesweni lakô, ungawuboninje wena umqadi okwelakô iliso? Mhanahanisindini, wukûpê kuqala umqadi lowo esweni lakô, wand'ukubona kakuhle ukusikûpâ isibi esisesweni lomzalwana wakô.

43 Kuba akukô mtí mhle uvelisa isiqâmo esingesiso; kanjalo akukô mtí ungeguwo uvelisa isiqâmo esihle.

44 Kuba umtí wonke waziwa ngesiqâmo sawo; kuba kungakíwa makíwane emitâneni enameva, kanjalo kungabutŵa diliya equnubeni.

45 Umntu olungileyo ebuncwaneni obulungileyo bentliziyo yakê uvelisa oko kulungileyo, nomntu okôhlakeleyo ebuncwaneni obukôhlakeleyo bentliziyo yakê uvelisa oko kukôhlakeleyo; kuba umlomo wakê utêtâ ngokupûpûma kwentliziyo.

46 Yinina-ke ukuba nindibize ngokutí, Nkosi, Nkosi, nibe ningazenzi izinto endizitêtâyo?

47 Wonke-ke umntu ozayo kum, aweve amazwi am awenze, ndonibonisa lowo afana naye.

48 Ufana nomntu owakâ indlu, wembâ wanxôka isiseko, wasibeka pêzu kolwalwa; kwatí, kwakubakô umkûkula, wagaleleka kulondlu umlambô, awabi nakô ukuyishukumisa; kuba ibisekwe pêzu kolwalwa-olo.

49 Kodwa lo uwevileyo akawenza, ufana nomntu owakê indlu pêzu komhlaba kungekô siseko, wagaleleka kuyo umlambô, yawa kwa oko: kwatí ukuwa kwalondlu kwakukûlu.

7 Kekaloku emveni kokuba ebewagqibile onke amazwi akê, besiva abantu, wangena e-Kapernahum.

2 Waye-ke umkônzi womtêtéli-kûlu otíle, owabetândwa nguye, esifa eza kubûbâ.

3 Utê-ke akuva ngaye u-Yesu, watûma kuye amadoda amakûlu ama-Yuda, emcela ukuba eze kumsindisa umkônzi wakê.

4 Akufika-ke ku-Yesu, ambongoza enyamekile, esití, Ukufanele oko lowo ungamenzelayo oko;

5 Kuba uvalutânda uhlanga lwetû, wasakêla nendlu yesikûngu yena.

6 Wahambâ-ke u-Yesu nabo. Akubon' ukuba-ke akasekude endlwini, umtêtêlikûlu watûma izihlobo kuye, esití kuye, Nkosi, ungazikâtâzi, kuba andikulingene ukuba ungade ungene pântsi kopâhla lwam;

7 Kungoko nam ndingakufanelanga ukude ndize; têtâ ngezwi lodwa, wopíliswa umkônzi wam;

8 Kuba nam ndingumntu omiswe pântsi kwegunya *labanye*, ndinama-soldati apântsi kwam; nditi kweli, Yiya, liye; kweliya, Yiza, lize; kumkônzi wam, Yenza oku, akwenze.

9 Ezivile-ke u-Yesu ezizinto, wamangaliswa nguye, waguqukela kwindimbâne ebimlandela watí, Ndití kuni, andifumananga lukôlo lungaka nakwa-Sirayeli.

10 Abo babetûnyiwe babuyela endlwini, bamfumana umkônzi obe ngumlwelwe epîlile.

11 Kwatí ngomhla olandelayo, waya emzini ekutíwa yi-Nayin. Kwaye kuhambâ naye iqela lâbafundi bakê nendimbâne enkulu.

12 Kekaloku, akusondela esangweni lomzi lowo, kwabonakala kutŵalelwa pândle umntu ofileyo, ekupêla konyana ozalwa ngunina; waye yena engumhlolokazi. Yaye nendimbâne elingeneyo yomzi inaye.

13 Itê-ke i-Nkosi yakumbona, yasikwa yimfesane ngenxa yakê, yatí kuye, Musukulila.

14 Yafika-ke yalicûkumisa itâla, bemake abebetŵele. Yatí, Ndodana, nditi kuwe, Vuka.

15 Wavuka wahlala umfi-lowo, waza-ke watêtâ. Yamnikela-ke kunina.

16 Bangenwa-ke kukoyika bonke, babemzukisa u-Tíxo besití, Kuvele um-profeti omkûlu pâkatí kwetû; besití, Ubavelele u-Tíxo abantu bakê.

17 Lwapûma-ke ololudaba lungaye lwahambâ kwelakwa-Yuda lipêla, nakulommandla wonke.

18 Bazibika ku-Yohane abafundi bakê zonke ezizinto.

19 Ebizele *kuye* babini batíle kubafundi bakê u-Yohane, wabatûma ku-Yesu esití, Wena ungulowo uzayo-na, silindê omnye sinina?

20 Efikile-ke kuye amadoda-lawo, atí, U-

Digitized by Google

Yohane um-bâptizi usitûme kuwe esitî, Wena ungulowo uzayo-na, silindē omnye sinina?

21 Kekaloku kwa ngelolixa wapîlisa abaninzi kuzo izifo nakuzo izibetô nakomoya abakôhlakeleyo, watî imfama ezininzi wazibabala ukubona.

22 Wapêndula u-Yesu watî kuwo, Hambâni nokumbikela u-Yohane izinto enizibonileyo nenizivileyo, okokuba imfama zibuya zibone, iziqwala ziyahambâ, abaneqênqa bayahlanjululwa, izitûlu ziyeva, abafileyo bayavuswa, amahlwempu ayazishunyayezwa indaba ezilungileyo.

23 Unoyolo otê akakûbeka kum.

24 Kekaloku bakubon' ukuba bemkile abatûnywa baka-Yohane, waqala watî kwindimbâne ngaye u-Yohane, Naye nipûme naya kubona nto-nina entlango? yaye iyingcongolo-na izanyazanyiswa ngumoya?

25 Naye nipûme naya kubona nto-nina kodwa? yaye ingumntu ovetê ingubo ezitofotofo-na? Yabonani, abo banxiba ingubo eziqaqambîleyo, badle ubuncwane, ngabasezindlwini zokumkani.

26 Naye nipûme naya kubona nto-nina kodwa? yaye ingum-profeti-na? Ewe nditi kuni, node wagqitisa kum-profeti.

27 Lo ngulowo kubâliweyo ngaye *kwatîwa:*

Niyabona, mna ndiyamtûma umtûnywa wam ngapâmbî kobuso bakô,
Oya kuyilungisa indlela yakô pâmbî kwakô. u-Mal. 3, 1.

28 Kuba nditî kuni, Pâkatî kwabo bazelweyo ngabafazi, um-profeti omkûlu kuno-Yohane um-bâptizi asinto ikôyo; kanti-ke nomncinanana kwabanye ebukumkanini buka-Tîxo mkûlu kunaye.

29 Batî bonke abantu, bakuva, nababutî be-fafu bagwebela u-Tîxo, bebâptiziwe ngo-bâptizo luka-Yohane.

30 Ke bona aba-Farisi nabaqondisi-mtêtô bazitshitshisela icebo lika-Tîxo, kuba bengabâptizwanga nguye.

31 Itê-ke i-Nkosi, Ndiya kubafanisa nanto-nina-ke ngoko abantu besisizukulwana, bafana nanto-nina?

32 Bafana nabantwana abableli ndaweni yembutô, bekwazana besitî, Sanigwalela, naza nina anaduda; sanihlabela isililo, naza nina anaklila.

33 Kuba uzile u-Yohane um-bâptizi engadli sonka, engaseli wayini, nitî-ke, Une-demon.

34 Uzilé u-Nyana womntu esidla, esela, nitî, Kânibone umntu olidla-kudla, oliselà-wayini, umhlobo wababutî be-fafu nowaboni!

35 Noko-ke ubulumko bugwetyelwe kokupûma ebantwaneni babo bonke.

36 Kekaloku omnye um-Farisi ubemcela ukuba adle naye; waza wangena endlwini yom-Farisi lowo, wanqênqâ.

37 Kwabonakala kukô mfazi emzini apô, obe ngumoni; watî, akwazi ukuba uhleli endlwini yom-Farisi, wazisa ihlala le-labastile linamafutâ aqôliweyo.

38 Wema ezinyaweni zakê ngasemva, elila, waqala ukuzinyela inyawo zakê ngenyembêzi, ezisula ngenwele zentloko yakê, ezanga kakûlu inyawo zakê, ezitâmbîsa ngamafutâ lawo.

39 Akukubona-ke *oko* um-Farisi lowo ubembizile, watêtâ ngapâkatî kwakê, esitî, Lomntu, ukuba ebe ngum-profeti, ange esazi ukuba ngumfazi ongubanina, oluhlobo lunina lo umcûkumisayo, ngokuba ungumoni.

40 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Hina, Simon, ndinendawo yokutêtâ kuwe. (Atîke yena, Têtâ, Mfundisi.)

41 Kwaye kukô mboleki-mali utîle, enabantu ababini abanamatyala *kuye;* omnye waye netyala le-denariyo ezimakûlu mahlanu, omnye-ke zimashumi mahlanu.

42 Bakuba-ke benge nanto yokuhlaula, usuke wababababala bobabini. Kâutsho-ke, nguwupîna kubo oya kumtânda ngokungapêzulu?

43 Wapêndula u-Simon watî, Ndiba ngulowo ubabalwe ngokungapêzulu. Watî-ke yena kuye, Wahlule walungisa.

44 Wajika wakângela kumfazi, wati ku-Simon. Uyambona-na lomfazi? Ndingene endlwini yakô, akundinikanga manzi enyawo zam: ke yena uzinyele inyawo zam ngenyembêzi, wazisula ngenwele zentloko yakê.

45 Akundanganga wena, ke yena, kuseloko ndangenayo, akayekanga ukuzanga kakûlu inyawo zam.

46 Intloko yam akuyitâmbîsanga ngaoli; ke yena inyawo zam uzitâmbîse ngamafutâ aqôliweyo.

47 Ngenxa yoko nditî kuwe, Izono zakê

Digitized by Google

uzixolelwe bezizininzi; ngokuba utânde kakûlu; ke yena oxolelwe kancinane, utânda kancinane.

48 Watî-ke kuye, Zixolelwe izono zakô.

49 Baqala abo babehleli naye *esitêbeni* ukutî ngapâkatî kwabo, Ngubanina lo uxolela nezono.

50 Utê-ke kumfazi, Ukôlo lwakô lukusindisile, hambâ ngoxolo.

8 Kwatî emva koko, wayihambâ imizi ngemizi nemizana ngemizana, ezivakalisa ezishumayela indaba ezilungileyo zobukumkani buka-Tîxo, babe naye abalishumi elinababini.

2 Nabafazi abatîle abebepîliswe komoya abangendawo nasebulwelweni, u-Mariya okutîwa ngowase-Magadala, ekwakupûme kuye i-demon zosixênxe,

3 No-Yohana umfazi ka-Kûza, igosa lika-Herode, no-Susana, nabanye abaninzi; bona bebemlungiselela ngempahla zabo.

4 Kekaloku kwakubon' ukuba kuntontelene indimbâne enkulu, batî nabemizi ngemizi bawomela kuye, watî ngomzekeliso,

5 Umhlwayelî wapûma waya kuyihlwayela imbêwu yakê. Ekuhlwayeleni kwakê yawa enye ngasendleleni, yanyatêlwa, zatî intaka zezulu zayidla zayigqiba.

6 Yimbî yawa elulwalweni, yatî isahluma, yatsha ngenxa yokuba ibinge nakunyakama.

7 Yimbî yawa pâkatî kwemitâna enameva, yasuka imitâna enameva yahluma kunye nayo, yayiminxa.

8 Yimbî yawa kuwo wona umhlaba olungileyo, yahluma, yavelisa isiqâmo kalikûlu. Utê ezitêtâ ezizinto, wayedandululuka esitî, Lowo unendlebe zokuva makeve.

9 Baye-ke abafundi bakê bembuza besitî, Ungaba uyinto-nina lomzekeliso?

10 Utê-ke yena, Nikupîwe nina ukuzazi imfihlelo zobukumkani buka-Tîxo, ke kwabanye bona kungemizekeliso, ukuze bebona nje bangaboni, besiva-nje bangaqondi.

11 Kekaloku umzekeliso nguwo lo: Imbêwu-le lilizwi lika-Tîxo.

12 Abo-ke bangasendleleni ngabo bevayo, andule afike umtŷoli alisuse ilizwi entliziyweni yabo, ukuze bangakôlwa basindiswe.

13 Abo-ke baselulwalweni ngabasakutî bakuliva, balamkele ngovuyo ilizwi; abake abanangcambu, bona bakôlwa umzuzwana, zebatî ngexa lokuhendwa balahle.

14 Leyo-ke yawayo emitâneni enameva ngabo batî belivile, bahambê benamaxâla nobutyebi neziyolo zobuboni, baminxwe, baze bangavelisi siqâmo.

15 Ke leyo isemhlabeni omhle ngabo bona batî ngentliziyo entle elungileyo, bakuliva ilizwi, balibambê, bavelise iziqâmo benomonde.

16 Akukô-ke utî, esilumekile isibane, asisibeke ngesitya, atî mhlaumbî asibeke ngapântsi kwesinqûnqelo; usibeka esipâtŵeni saso, ukuze abo bangenayo bakubone ukukânya.

17 Kuba akukô nto ifihlakeleyo ingayi kubonakala; kanjalo akukô ifihlakeleyo ingayi kwazeka, ize ekuhleni.

18 Lumkani ngoko ukuva eniva ngakô; kuba osukuba enakô uya kunikwa; nosukuba enge nakô uya kuhlutwa noko ngati unakô.

19 Kekaloku kwafika kuye unina nabazalwana bakê, baza ababi nakô ukufikelela kuye ngenxa yendimbâne.

20 Wabikelwa-ke, kusitîwa, Unyoko nabazalwana bakô bemi ngapândle, befuna ukukubona.

21 Wapêndula-ke yena watî kubo, Umnabazalwana bam ngaba bona balivayo ilizwi lika-Tîxo, balenze.

22 Kwatî ngamhla utîle, waya kungena emkômbêni kwa nabafundi bakê, watî kubo, Masiwele siye ngapêsheya kwedibanduluka-ke.

23 Kekaloku bakubon' ukuba bayahamba ngomkômbê, walala ubutôngo. Kwehla uqwitêla lomoya edikeni apô, waye uzala *ngamanzi*, usengozini.

24 Beza-ke bamvusa besitî, Mongameli, mongameli, satshabalala. Wavuka-ke yena, wawukâlimela umoya nokulatyuza kwamaza; zapêza *ezonto*, kwabakô ukuzola.

25 Watî-ke kubo, Lupîna ukôlo lwenu? Batê, kuba besoyika, bamangaliswa, bestshono ukutî, Ngubanina-ke lo, lento ayitêtêla imimoya kwa namanzi, zimlulamele *ezonto?*

26 Bahambêla ngomkômbê ezweni lase-Gadara, elikângelene nelase-Galili.

Digitized by Google

27 Kekaloku akupûmela emhlabeni, kwaqubisana naye indoda etile ipûma emzini, esekukade ine-demon, yayingambâtî ngubo, ingahlali ndlwini, isuka ihlale emanc*w*abeni.

28 Ité-ke yakumbona u-Yesu, yakâla kunene, yawa pâmbi kwakê, yatî ngezwi elikûlu, Yinina enam nawe, Yesu, Nyana ka-Tîxo Osenyangweni? ndiyakukûnga ukuba unganditûtûmbîsi.

29 Kuba ebewutêtêle umoya oncôlileyo ukuba upume emntwîni lowo; kuba bekuba futî umtî-hlasi; wayebotshwa ngemixokelelwane namakâmandela, egciniwe; asuke azijace izibopêlelo, aqûtyelwe yi-demon entlango.

30 U-Yesu wambuza-ke esitî, Ungubanina igama lakô? Ité-ke yena, *Ndi*ngumkôsi; kuba kwakungene kuye i-demon ezininzi.

31 Wayembongoza ukuba angazitêtêli ziye kungena enzonzobileni.

32 Bekukô-ke apô ugxûba lwehangu ezininzi lusidla entabeni; zaye zimbongoza, ukuba azivumele ziye kungena kuzo. Wazivumela-ke.

33 Zipûmile-ke i-demon emntwini lowo, zangena ezihangwini: lwaza ugxûba olo lwapâpâtêka lwehla eweni, lwela edikeni lwafaxwa.

34 Bakukubona-ke okuhlileyo abo babezalûsa, basaba, baya babika ekâya nasemapândleni.

35 Bapûma-ke *abantu*, baya kukubona okuhlileyo; beza ku-Yesu, bamfumana ehleli umntu lowo bezipûme kuye i-demon, ambâtîsiwe, enengqondo epîlileyo, engasezinyaweni zika-Yesu, baza boyika.

36 Batî-ke nabo babonileyo, bababikela ukuba utîwe-nina ukupiliswa obepêtwe zidemon.

37 Yamcela yonke inkitâ yommandla wabase-Gadara, ukuba emke kubo; ngokuba babebanjwe kukoyika okukûlu. Ité-ke yena, engene emkômbêni, wabuya.

38 Kekaloku indoda-leyo, zaye zipûme kuyo i-demon, yayimkûnga ukuba ibe naye. Ke yena u-Yesu wayindulula, esitî,

39 Buyela endlwini yakô, ubacacisele oko zingako izinto, u-Tîxo akwenzele zona. Yemka, yavakalisa kuwo wonke umzi oko zingako izinto, u-Yesu ayenzele zona.

40 Kwatî kekaloku, ekubuyeni kuka-Yesu, yamamkela indimbâne; kuba bonke bebemlindile.

41 Kwabonakala kusiza indoda egama lingu-Yayiro, yaye yona ingumpâtî wendlu yesikûngu; yawa ezinyaweni zika-Yesu, yayimbongoza ukuba eze endlwini yayo.

42 Kuba yabi nentombî iyizala inye, eminyaka ngatî ilishumi linamibini izelwe, yaye yona iqâuka. Kekaloku ekuyeni kwakê apô indimbâne bezimxinile.

43 Nentokazi eyayi netômbô legazi iminyaka elishumi linamibini, eyayitê yona pêzu koko yadleka impahla yayo ipêla ngamagqira, ayabi nakô ukupiliswa bani,

44 Yeza ngasemva yacûkumisa intshinga yengubo yakê, le-qoko kwangoko itômbô legazi layo.

45 Watî u-Yesu, Ngubanina lo undicûkumisileyo? Bakuba bekânyela bonke, watî u-Petros nabo babe naye, Mongameli, indimbâne zikuxina zikukândanisanje, utî-na, Ngubanina lo undicûkumisileyo?

46 Ité-ke u-Yesu, Ukô ondicûkumisileyo; kuba mna ndiyawazi amandla apûmileyo kum.

47 Ité-ke intokazi leyo, yakubona ukuba ayifihlakele, yeza igubâ, yawa pâmbî kwakê, yaxela emehlweni abo bonke abantu, ukuba bekungasizatu-sinina ebimcûkumisile, nokupiliswa kwayo kwangoko.

48 Ité-ke yena kuyo, Yomelela, ntombî yam, ukôlo lwakô lukupîlisile; hambâ ngoxolo.

49 Kutî, esatêtâ, kufike otîle, evela kwampâtî-ndlu yesikûngu, esitî kuye, Ibûbîle intombî yakô; musa ukumkâtâza umfundisi.

50 Ekuvile-ke *oko* u-Yesu, umpêndule watî, Mus' ukoyika; kôlwa wena kupêla, yosindiswa.

51 Kekaloku engenile endlwini, akavumelanga mntu ukuba angene naye, kwaba kupêla yangu-Petros no-Yohane, no-Yakobi, novise wentombî nonina.

52 Bave-ke bonke belila beyimbâmbâzelela. Watî-ke yena, Musan' ukulila; ayifile, ilele-nje kodwa.

53 Basuka bamwa ngentsini, besazi ukuba ifile.

54 Ité-ke yena, wabakûpêla pândle bo-

Digitized by Google

nke, wayibambâ ngesandla, wabiza esitî, Ntombî, vuka.

55 Wabuya umoya wayo, yesuka yema kwangoko; wamis'ukutî mayinikwe into idle.

56 Besuka abazali bayo batî-nqa; wabatêtêla-ke ukuba bangakuxeleli bani okuhlileyo.

9 Kekaloku ebabizele ndawo-nye abafundi bakê abalishumi elinababini, wabanika amandla negunya kuzo zonke i-demon, nokupîlisa izifo.

2 Wabatûma ukuba babuvakalise ubukumkani buka-Tîxo, bayipîlise imilwelwe.

3 Watî kubo, Ningapâtî nto yandlela, namisimelelo, nanxôwa yampâko, nasonka, namali, ningabi nangubo zangapântsi ngambîni;

4 Nasendlwini enitê nangena kuyo, hlalani kôna, ukumka nisuke kôna.

5 Abo sukuba benganamkeli, yitîni nakupûma kulomzi, niluvutûlule notûli ezinyaweni zenu, kube bunqîna *oko* kubo.

6 Bepûmile-ke bayihambâhambâ imizana, bezishumayela indaba ezilungileyo, bepîlisa ezindaweni zonke.

7 Kekaloku u-Herode umpâtî wesahlulo sesine selizwe waziva zonke izinto ezenzwayo nguye, wesuka watîngaza ngenxa yokuba bekusitîwa ngabanye, Kuvuke u-Yohane kwabafileyo;

8 Kutîwe-ke ngabanye, Kubonakele u-Eliya; kutîwe ngabanye, Kubuye kwavuka um-profeti wakuwo amanyange.

9 Watî u-Herode, U-Yohane mna ndamnqamla intloko, lo-ke ngubanina, ndiva *kutêtîwa* izinto ezinje ngaye. Wayefunake ukumbona.

10 Bebuyile aba-postile, bamcacisela ukuba zinkulu kwezinto abebezenzile. Wabatâbatâ wasitêla ese endaweni eyintlango yomzi okutîwa yi-Betesayida.

11 Itê-ke yakwazi indimbâne, yamlandela. Wayamkela-ke; wayetêtâ kuyo ngabo ubukumkani buka-Tîxo, wayebapîlisa ababeswele impîlo.

12 Kekaloku yaqala ukumka imini. Beza-ke abalishumi elinababini, batî kuye. Yindulule indimbâne, ukuze bemke baye emizini ejikelezileyo nasemapândleni, balale, zebafumane into edliwayo; ngokuba apâ sikwindawo eyintlango.

13 Utê-ke kubo, Bapêni nina badle. Batî-ke-bona, Akukô nto sinayo ingapêzu kwezonka ezihlanu nentlanzi ezimbîni; singaba kambê siya kuya sibatêngele into ezidliwayo bonke ababantu.

14 Kuba amadoda ngatî aye mawaka mahlanu. Watî-ke kubafundi bakê, Banqênqîseni, babe yimityino emashumi ngamahlanu.

15 Benje njalo, babanqênqîsa bonke.

16 Ezitâbatîle-ke izonka zozihlanu nentlanzi zombîni, wakângela ezulwini, wazisikelela, waqêkeza; wamana enika abafundi ukuba babeke endimbâneni.

17 Badla bahluta bonke; kwasuswa okuseleyo kubo izitya zamaqêkeza zalishumi elinazibini.

18 Kekaloku kwatî, ekubeni etândaza eyedwa, bantontelana kuye abafundi, wabuza kubo, esitî, Indimbâne ezi zitî, Ndingubanina?

19 Bapêndula-ke bona, batî, Zitî, Ungu-Yohane um-bâptizi; abanye-ke batî, Ungu-Eliya; abanye-ke batî, Kubuye kwavuka m-profeti utîle kumanyange.

20 Utê-ke kubo, Ke nina nitî ndingubanina? Wapêndula-ke u-Petros watî. Unguye u-Kristu ka-Tîxo.

21 Wabakâlimela-ke, ebatêtêla ngeliti lento mabangayitêtî nakubani,

22 Esitî, U-Nyana womntu umelwe kukutî eve ubunzima obukûlu, alahlwe ngawo amadoda amakûlu nababingeleli[1] abakûlu nababâli, abulawe, atî ngomhla wesitâtû, avuke.

23 Wayesitî-ke kubo bonke, Ukuba ubani utânda ukundilandela, makazincame awutwale umnqamlezo wakê imihla ngemihla, andilandele-ke.

24 Ngokuba osukuba etânda ukuwusindisa umpêfumlo wakê wolahlekelwa nguwo; ke otê wawulahla umpêfumlo wakê ngenxa yam wowusindisa lowo;

25 Kuba kumnceda nto-nina umntu ukutî azuze ihlabatî lipêla, abe ke ezilahlile, mhlaumbî ezonakalisile?

26 Kuba otê wanentloni ngam nangawo amazwi am, u-Nyana womntu woba nentloni ngaye lowo, xa atê weza esebuqaqaulini bakê nobukayise nobezitûnywa zingcwele.

27 Nditî-ke kuni, Inyaniso, kukô abatîle kwabemiyo apâ, abangayi kukê bevukufa, bade babubone ubukumkani buka-Tîxo.

[1] Abanzelelili kwi-Test. endula, ngokunye ala-prieste

Digitized by Google

28 Kekaloku kutê emveni kwezizinto, malunga nentsuku ezisibôzo, watâbatâ u-Petros no-Yohane no-Yakobi; wenyuka waya entabeni esiya kutândaza.
29 Kwatî, ekutândazeni kwakê, ubuso bakê babonakala bububumbî, nengubo yakê yamhlope yabengezela.
30 Kwabonakala amadoda amabini etêtâ naye, engo-Moses no-Eliya,
31 Ababonakalayo besebuqaqaulini, babetêtâ ngopûmo lwakê abeza kuluzalisa e-Yerusalem.
32 Kekaloku u-Petros nabo babe naye bebesindwa butôngo; baza-ke bakutî-balulu, babubona ubuqaqauli bakê, nalomadoda mabini abemi naye.
33 Ekwahlukeni kwawo kuye, watî u-Petros kuye u-Yesu, Mongameli, kuhle ukuba sibe lapâ, masenze-ke iminquba ibe mitâtû, omnye ube ngowakô, omnye ube ngoka-Moses, omnye ube ngoka-Eliya; *watsho* engayazi into ayitêtâyo.
34 Kutê-ke, akubon' ukuba utêtê ezonto, kwabakô ilifu, labenzela itînzi. Boyika-ke ekungeneni kwabo efini apô.
35 Kwabakô nezwi lipûma efini, lisitî, I.o ngunyana wam oyi-Ntanda, mveni yena.
36 Lakuba libekô izwi elo, wafunyanwa u-Yesu eyedwa. Bahlala batî-cwaka bona, ababikela mntu kwizinto ababezibonile ngalomihla.

37 Kekaloku kutê ngomhla olandelayo, bakubon' ukuba bahlile entabeni, wahlangatyezwa yindimbâne enkulu.
38 Kwabonakala kuvela indoda endimbâneni apô, yanqangaza isitî, Mfundisi, ndiyakukûnga, mbone unyana wam; kuba ndimzele wamnye.
39 Uyabona, utâtyatwa ngumoya, akâle kwa ngesiqupê, umbetê atî-xwenene, ade alepûze amagwebu, uze utî umqôbile umke kuye ngenkankulu.
40 Ndabakûnga-ke abafundi bakô ukuba bawukûpê; ababi nakô.
41 Wapêndula u-Yesu watî, Sizukulwanandini singakôlwayo sigwenxa, koda kube ninina ndikuni ndininyamezele? mzise apâ unyana wakô.
42 Akubon' ukuba useza-ke, isuke i-demon yamntlala, yambetâ watî-xwenene kunene. Wawukâlimela-ke u-Yesu umoya oncôlileyo, wampîlisa umntwana, wambuyisela kuyise.
43 Bakwanqiswa-ke bonke bubungangamela buka-Tîxo.

Bakubon' ukuba bamangalisiwe bonke zizinto zonke awazenzayo u-Yesu, watî kubafundi bakê,
44 Wabekeleni nina indlebe lamazwi; kuba u-Nyana womntu uza kunikelwa ezandleni zabantu.
45 Kodwa bona bebengaliqondi elilizwi; laye lifihliwe kubo, ukuze bangaliboni. Babesoyika nokumbuza ngalo elilizwi.

46 Kekaloku kwangena ukucamanga pâkatî kwabo kokutî, angaba ngubanina omkûlu pâkatî kwabo.
47 Ekubonile-ke u-Yesu ukucamanga kwentliziyo yabo, utâbatê umntwanana, wammisa ngakuye,
48 Wati kubo, Otê wamamkela lomntwanana ngegama lam, wamkela mna; notê wamkela mna, wamkela lowo wanditûmayo. Kuba lowo umncinane pakatî kwenu nonke, ngoyena mkûlu.

49 Wapêndula u-Yohane watî, Mongameli, sabona otîle, ekûpâ i-demon ngegama lakô; samalela, ngokuba engalandelani natî.
50 Watî u-Yesu kuye, Musani ukumalela; kuba ongacâsene natî ungecala letû.

51 Kekaloku kwatî, yakuzaliseka imihla yokunyuselwa kwakê pêzulu, wazimisela ngokuqinileyo ukuya e-Yerusalem.
52 Watûma abatûnywa pâmbî kobuso bakê; behambîle-ke bangena emzaneni wama-Samariya ukuba bamlungiselele.
53 Akamamkela, ngokuba ubuso bakê bebubêke e-Yerusalem.
54 Bekubonile-ke *oko* abafundi bakê o-Yakobi no-Yohane, batê, Nkosi, uyafuna-na ukuba sitsho, kuhle umlilo ezulwini, ubatshise kupêle, njengoko no-Eliya wenje njalo.
55 Watî-gugugu wabakâlimela watî, Anazi ukuba ningabomoya onjanina;
56 Kuba u-Nyana womntu engaze kutshabalalisa mipêfumlo yabantu, uze kusindisa. Baza baya mzaneni wumbî.

57 Kwatî-ke, bakubon' ukuba bayahambâ ngendlela, watî otîle kuye, Ndiya kukulandela, apô utê waya kôna, Nkosi.
58 Waza u-Yesu watî kuye, Impungutye

Digitized by Google

zineminxûma, nentaka zezulu zinendawo zokuhlala; ke yena u-Nyana womntu akanayo nendawo angalalisa kuyo intloko yakê.

59 Watî-ke kuwumbî, Ndilandele. Utê-ke yena, Nkosi, ndivumele kêndimke, ndiye kuncŵaba ubawo kuqala.

60 Watî-ke u-Yesu kuye, Bayeke abafileyo bancŵabe abafileyo babo; ke wena hambâ uye kushumayela ubukumkani buka-Tîxo.

61 Wati-ke nomnye, Ndiya kukulandela, Nkosi; kodwa ndivumele kuqala, kêndiye kubulisa abo basendlwini yam.

62 Utê-ke u-Yesu kuye, Akukô namnye usibekileyo isandla sakê e-puluweni, abe eman' ekângela kokusemva, ubulungeleyo ubukumkani buka-Tîxo.

10 Kekaloku emveni kwezizinto î-Nkosi yabalula yamisela abanye kanjalo, bemashumi asixênxe; yabatûma ngababini pâmbî kobuso bayo kuyo yonke imizi nendawo ebiza kuya kuzo yona.

2 Yayisitî ngoko kubo, Ukuvuna okunene kuninzi, kodwa bona abasebenzi bambâlwa; kûngani ngoko e-Nkosini yokuvuna, ikûpê abasebenzi, baye ekuvuneni kwayo.

3 Hambâni; niyabona, mna ndinitûma njengemvana pâkatî kwencûka.

4 Musan' ukupâtâ nxôwa yamali, nanxôwa yampâko, nazimbâdada; ningabulisi mntu endleleni.

5 Nendlu enisukuba ningene kuyo, yitîni kuqala, Uxolo malube kulendlu.

6 Ukuba angaba ulapô owoxolo, uxolo lwenu lohlala pêzu kwakê; ukuba-ke akunjalo, lobuyela kwa kuni.

7 Hlalani-ke kulondlu, nisidla nisela izinto abanazo; kuba umsebenzi uwufanele umvuzo wakê. Musan' ukupûma ningena zindlwini.

8 Emzini-ke enisukuba ningena kuwo, banamkele, yidlani izinto abazibeka pâmbî kwenu;

9 Niyipîlise imilwelwe ekôna, nitî kubo, Busondele kuni ubukumkani buka-Tîxo.

10 Emzini enisukuba ningena kuwo, banganamkeli, pûmani niye ezi-trateni zawo, nitî,

11 Notûli lomzi wenu olunamatêle kutî, siluvutûlulela kuni; kodwa-ke kwazini kôna oku, ukuba busondele kuni ubukumkani buka-Tîxo.

12 Nditî-ke kuni, Koba nokunyamezeleka okwe-Sodoni ngalomini kunakwalomzi.

13 Yeha, wena Korazin! yeha wena Betesayida! ngokuba imisebenzi yamandla eyenzeke kuni, ukuba yayenzeke e-Tire nase-Tsidon, ngeyaguqukayo kwakudala lomizi, ihleli ngengubo ezifwexayo naselutûtŵini.

14 Ewe, koba nokunyamezeleka okwe-Tire nase-Tsidon ngomgwebo kunokwenu.

15 Nawe, Kapernahum, upâkanyiselweyo ezulwini, uya kupôswa pântsi e-hadesi.[1]

16 Lowo univayo nina uva mna; nalowo unigibayo nina ugiba mna, lowo-ke ugiba nina ugiba lowo wanditûmayo.

17 Kekaloku babuya abamashumi asixênxe bevuyile, besitî, Nkosi, ne-demon-ezi zisitôbele ngegama lakô.

18 Utê-ke kubo, Bendimbona u-Satana njengombane esiwa ezulwini.

19 Niyabona, ndininika igunya lokunyatêla pêzu kwenyoka nonomadudwane, napêzu kwawo onke amandla alo utshaba, kanjalo akukô nto ingakê inenzakalise.

20 Noko-ke maningakuvuyeli oku kokuba omoya benitôbele, vuyelani-ke kanye okokuba amagama enu ebâliwe emazulwini.

21 Ngelolixa wagcoba u-Yesu ngomoya watî, Ndiyabulela kuwe, Bawo, Nkosi yezulu nomhlaba; ngokuba ezizinto uzifihlile kwizilumko nengqondi, wazityîlela intsana; ewe, Bawo, ngokuba kwakôleka kuwe ukuba kube njalo.

22 Zonke izinto zinikelwe kum ngu-Bawo; kanjalo akukô waziyo ukuba ungubanina u-Nyana, ngu-Yise yedwa; nokuba ungubanina u-Yise, ngu-Nyana yedwa; nalowo asukuba u-Nyana etândi ukumtŷilela.

23 Watî-guququ kubafundi *bakê*, watî ngasese, Anetamsanqa wona amehlo abona izinto enizibonayo,

24 Kuba nditî kuni, bantinzi aba-profeti nokumkani ababetândê ukubona into enizibonayo nina, abazibona; nokuva into enizivayo, abaziva.

25 Kwabonakala kusuka umqondisi-mtê-

[1] Intlalo yabafileyo.

Digitized by Google

tô otîle, emlinga nokumlinga, esiti, Mfundisi, ndenze nto-nina ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunapâkade?

26 Utê-ke yena kuye, Emtetweni kubâlwe nto-nina? ulesa njanina?

27 Wapêndula-ke watî, Uz'uyitânde i-Nkosi u-Tixo wakô ngentliziyo yakô ipêla, nangompêfumlo wakô upêla, nangamandla akô epêla, nangengqondo yakô ipêla; nomelwane lwakô njengoko uzitânda ngako.

28 Utê-ke kuye, Upêndule walungisa; yenza oko, wobudla ubomi.

29 Kekaloku yena etânda ukuzigwebela, watî ku-Yesu, Ngubanina olumelwane lwam?

30 Upêndule-ke u-Yesu watî, Umntu otîle wayesihla evela e-Yerusalem, esiya e-Yeriko. Wagaxeleka ezihangeni ezambûnyula ingubo, zamnxwelefa, zemka, zimshiya engatî uza kufa.

31 Kekaloku kwatî kwehla mbingeleli[1] utîle ngalondlela; akumbona wacezela pâya.

32 Kwa ngokunjalo-ke nom-Levi, akufika kulondawo, weza wambona, wacezela pâya.

33 Utê-ke um-Samariya otîle eseluhambêni waya kuye; watî, akumbona, wasikwa yimfesane.

34 Wafika, wawabopâ amanxeba akê, egalela i-oli ne-wayini, wamkwelisa eqegwini lakê, wamsa endlwini yabahambî, wamonga.

35 Akumka ngengomso, warola i-denariyo zambîni, wanika umnini-ndlu, watî kuye, Zumonge; nento ongatî ubuye udleke yona, ndokuhlaulela mna ekubuyeni kwam.

36 Nguwupîna kwabo batâtû ngoko, otî wena, waba lumelwane lwalowo wagaxeleka ezihangeni?

37 Utê-ke yena, Ngulowo wamenzela inceba. Watî ngoko u-Yesu kuye, Hambâ, uye kwenje njako nawe.

38 Kekaloku kwatî ekuhambêni kwabo, yena wangena mzini utîle, yatî-ke intokazi etîle egama lingu-Marta, yamamkela ngobubele endlwini yayo.

39 Yaye-ke inomsakwayo obekutîwa ngu-Mariya, owatî yena wahlala ngasezinyaweni zika-Yesu, emane ukulipûlapûla ilizwi lakê.

40 U-Marta-ke yena warutârutêka kulungiselela okuninzi. Wema-ke kufupî watî, Nkosi, akukâtâli-na, kukuba umsakwetû andiyekele ndilungiselela ndedwa? yitsho-ke kuye, andincede.

41 Wapêndula-ke u-Yesu watî kuye, Marta, Marta, uxâliswa upîtîzeliswa zinto ezininzi.

42 Inye yona into efunekayo; u-Mariya-ke unyule esosabelo silungileyo, singayi kususwa kuye.

11 Kwatî, esendaweni etîle etândaza; akupêza, wati otîle wabafundi bakê kuye, Nkosi, sifundise ukutândaza kwa njengoko u-Yohane wabafundisayo abafundi bakê.

2 Utê-ke yena kubo, Xa sukuba nitândaza, yitîni, Bawo wetû osemazulwini. Malingcwaliswe igama lakô. Mabufike ubukumkani bakô. Makwenziwe ukutânda kwakô nasemhlabeni njengokuba *kusenziwa* ezulwini.

3 Sipê imihla yonke isonka setû semihla ngemihla.

4 Usixolele izono zetû; kuba natî sibaxolela bonke abanamatyala kutî. Ungasingenisi ekuhendweni; sihlangule enkohlakalweni.

5 Watî kubo, Nguwupîna kuni ongatî enomhlobo, aze aye kuye pâkatî kobusuku, atî kuye, Sihlobo, ndiboleke izonka zibe zitâtû;

6 Kuba-ke umhlobo wam upâmbûkele kum eseluhambêni, ndaye ndinge nantoke ndingayibeka pâmbî kwakê;

7 Aze asuke lowo ungapâkatî apêndule atî, Mus'ukundapûla; seluvaliwe ucango, nabantwana bam basesililini nam; andinakô ukuvuka ndikunike?

8 Nditî kuni, Nokuba akayi kuvuka amnike, ngakuba engumhlobo wakê, noko ngenxa yozingiso lwakê olunge nantloni wovuka, amnikê inani alisweleyo.

9 Nam nditî kuni, Celani, nopiwa; funani, nofumana; nqonqozani, novulelwa.

10 Kuba wonke umntu ocelayo uyazuza; nalowo ufunayo uyafumana; nalowo unqonqozayo uyâ kuvulelwa.

11 Nguwupîna-ke uyise kuni oya kutî, unyana akucela isonka, amnike ilitye; atî *akucela* intlanzi, amnike inyoka endaweni yentlanzi?

[1] Umeneleleli kwi-Text. endala, ngokunye aba-prieta.

Digitized by Google

12 Atî, ukuba utê wacela iqanda, amnike unomadudwane?
13 Ukuba kengoko nina ningendawonje, niyakwazi ukubapâ abantwana benu izipô ezilungileyo, wobeka pîna-ke yena u-Yihlo wasezulwini ukugqitisela ukubapâ u-Moya Oyingcwele abo bamcelayo?

14 Wayekûpâ i-demon, yaye-ke isidenge, Kwatî-ke, yakupûma i-demon, satêtâ isidenge, zamangaliswa indimbâne.
15 Kodwa abatîle kubo batî, Uzikûpâ i-demon ngo-Belezebule umpâtî we-demon.
16 Baye-ke bambî bemlinga, befuna kuye umqondiso opûma ezulwini.
17 Kekaloku yena ezazi izicamango zabo, watî kubo, Bonke ubukumkani obahlulelene bodwa, buyapânza; nendlu *e-yahlulelene* nendlu, iyawa.
18 Ukuba-ke no-Satana wahlulelene yedwa, botî-nina ukuma ubukumkani bakê? ngokuba nitî ndizikûpâ i-demon ngo-Belezebule.
19 Ke ukuba mna ndizikûpâ i-demon ngo-Belezebule, bazikûpâ ngabanina onyana benu? baya kuba ngabagwebi benu bona ngenxa yoko.
20 Ke ukuba ndizikûpâ i-demon ngomnwe ka-Tîxo, ngoko bunifikele kanti ubukumkani buka-Tîxo.
21 Xa litî igoŕa lixôbe tu, lilinde ibôtwe lalo, impahla yalo ihlala inqabile;
22 Kodwa xa litê elinamandla kunalo lalifikela laleyisa, lilihluta sonke isiŕweqe salo elabe likôlose ngaso, liwabe amaxôba alo.
23 Lowo unge ngakum, ucâsene nam; nalowo ungandibutîsiyo, uyacîtacîta.
24 Xa umoya oncôlileyo utê wapûma emntwini, ucanda endaweni ezinge namanzi, ufuna ukupûmla; uze wakuba ungakufumani, usuke utî, Ndiya kubuyela endlwini yam endapûma kuyo.
25 Utî wakufika, uyifumane itshayelwe ivatîsiwe.
26 Wandul' ukuya kutâbatâ abanye omoya abasixênxe abangendawo kunawo, bangene-ke bahlale kôna, lize ikamva lalomntu libe libi kunesiqalo.

27 Kekaloku kwatî ekuzitêtêni kwakê ezizinto, intokazi etîle yalipâkamisa izwi layo endimbâneni-leyo, yatî kuye, Sinoyolo isizalo esakubambâyo, namabele owawanyayo.
28 Utê-ke yena, Yitî kanye banoyolo abo balivayo ilizwi lika-Tîxo, baligcine.

29 Kekaloku yakubon' ukuba iqukene indimbâne, waqala ukutî, Esisizukulwana singendawo sinxâmele umqondiso; ukanti asiyi kunikwa mqondiso inge nguwo umqondiso ka-Yona um-profeti.
30 Kuba njengokuba u-Yona waba ngumqondiso kwabase-Nineve, uya kuba kwa njalo u-Nyana womntu kwesisizukulwana.
31 Ukumkanikazi wase-Zantsi uya kusuk'eme ngomgwebo namadoda esisizukulwana, awagwebe; ngokuba wavela ezipêlweni zomhlaba esiza kuva ubulumko buka-Solomon; ukanti-ke omkûlu kuno-Solomon nanku apâ.
32 Amadoda ase-Nineve aya kusuk'eme ngomgwebo nesisizukulwana, asigwebe; kuba aguquka wona ngomemezo luka-Yona; ukanti-ke omkûlu kuno-Yona nanku apâ.

33 Akukô-ke utî esibanekile isibane, asibeke endaweni efihlakeleyo, nokuba kupântsi kwesitya; usibeka esipâtweni saso, ukuze abo bangenayo bakubone ukukânya.
34 Isibane somzimbâ liliso. Xa sukuba iliso lakô linge nakumbî, umzimbâ wakô upêla uyakânyiseleka; xa litê lakôlilakala, nomzimbâ wakô ububumnyama.
35 Ngoko xunela ekutîni ukukânya okukuwe kungabi bubumnyama.
36 Ukuba ngoko umzimbâ wakô upêla ukânyiselekile, unge nandawo imnyama, uya kukânyiseleka upêla, njengaxenikweni sitê isibane sakukânyisela ngokudangazela *kwaso*.

37 Kekaloku akuba etêtîle, um-Farisi otîle wayemcela ukuba aye komulela kuye. Ungenile-ke wahlala pantsi.
38 Ute-kê akubona *oku*, um-Farisi wamangaliswa kukuba engatânga kuqala ahlambê pâmbî kokuba adle.
39 Yatî-ke i-Nkosi kuye, Kaloku nina ba-Farisi, nihlambûlula umpândle wendebe nesitya, ukanti wona umbilini wenu uzele kupânga nokungendawo.
40 Basweli kuqonda, owawenzayo umpândle, akawenzanga-na nombilini?
41 Kanye-ke izinto ezingapâkatî lizani ngazo; niyabona, zosuka zonke izinto zihlambûluke kuni.
42 Yeha, nina ba-Farisi! ngokuba nini-

Digitized by Google

kela izishumi zetyeleba nezenxina nezemifuno yonke, nize nidlule kuwo umgwebo nokutânda u-Tixo; ezindawo-ke benimelwe kukutî nizenze, nitî neziya ningazishiyi.

43 Yeha, nina ba-Farisi! ngokuba nitânda isihlalo sobukûlu ezindlwini zesikûngu nemibuliso ezindaweni zembutô.

44 Yeha, nîna babâli, ba-Farisi, bahanahanisindini! ngokuba ninjengamancwaba angabonakaliyo, abatî nabantu abahambâ pêzu kwawo, bangawazi.

45 Apêndule-ke otîle wakubaqondisimtêtô, atî kuye, Mfundisi, uzitêtâ-nje ezozinto, usipâtâ kakubi natî.

46 Utê-ke yena, Yeha, nani baqondisimtetô! ngokuba abantu nibatwalisa imitwalo enzima, nibe nina ngokwenu ningayicûkumisi imitwalo-leyo nangamnye umnwe wenu.

47 Yeha, nina! ngokuba niyawakâ amancwaba aba-profeti, babe-ke oyihlo bebabulele.

48 Kambê niyayinqînela niyitâkazela imisebenzi yoyihlo; ngokuba bona okunene bababulala, niyawakâ-ke nina amancwaba abo.

49 Ngenxa yoko nobulumko buka-Tîxo batî, Ndiya kubatûmela aba-profeti nabapostile; kubo abo-ke baya kuyibulala inxenye, bayitshutshise inxenye;

50 Ukuze limenywe kwesisizukulwana igazi labo bonke aba-profeti elapâlazwayo kuseloko lasekwayo ihlabatî;

51 Litâbatêla egazini lika-Abeli lide lizise egazini lika-Zekariya, owatshabalalela pâkatî kwesibingelelo nendawo eyingcwele; ewe, nditî kuni, liya kumenywa kwesisizukulwana.

52 Yeha, nina, baqondisi-mtêtô! ngokuba nasisusa isitshixo sokwazi; nina anangena, nabangenayo nabalela.

53 Kekaloku akubon' ukuba uyazitêtâ ezizinto kubo, baqala ababâli naba-Farisi ukuba nenqala enkulu, nokumcofa 'ngemibuzo emininzi;

54 Bemlalele, befuna ukunqakula into epûma emlonyeni wakê, ukuze bammangalele.

12 Pâkatî koko, kutê akubon' ukuba ahlanganisene ndawo-nye amawakawaka abantu, ngokokude banyatêlane, waqala ukutî kubafundi bakê, Pâmbî kwako konke lilumkeleni igwele laba-Farisi, eliluhanahaniso.

2 Akukô nto-ke igqunyiweyo, engasayi kutŷilwa; nefihlakeleyo, engasayi kwaziwa.

3 Ngenx' enokuba konke enikutêtê emnyameni, kuya kuviwa emhlotsheni; nenikutêtê endlebeni emagumbîni, kuya kumenyezwa pêzu kwezindlu.

4 Nditî-ke kuni, zihlobo zam, Musan' ukuboyika abo babulala umzimbâ, baze emva koko bangabi nanto yimbî bangayenzayo.

5 Ndiya kunibonisa-ke enomoyika; yoyikani lowo, utî emva kokubulala, abe negunya lokupôsa esihogweni; ewe, nditî kuni, Yoyikani yena lowo.

6 Abatêngiswa nge-peni ezimbîni-na onqâtyana abahlanu? ukanti akukô namnye kubo olityelweyo emehlweni ka-Tîxo.

7 Kwa nenwele-ezi zentloko yenu zibaliwe zonke; musan' ukoyika ngoko, nibagqitile onqâtyana abaninzi nina.

8 Nditî-ke kuni, Wonke umntu otê wandivuma pâmbî kwabantu, kwa no-Nyana womntu uya kumvuma pâmbî kwezitûnywa zika-Tîxo.

9 Ondikânyeleyo-ke emehlweni abantu, wokânyelwa emehlweni ezitûnywa zika-Tîxo.

10 Nomntu wonke oya kutêtâ ilizwi elibi ngo-Nyana womntu, woxolelwa; kodwa lowo unyelise u-Moya Oyingcwele, akasayi kuxolelwa.

11 Xa sukuba-ke benizisa ezindlwini zesikûngu nakwizilauli nakwabanegunya, ize ningaxâleli ukuba ningazipêndulela ngokunjanina nanganto-nina, nokuba ningatêtâ-nina.

12 Kuba u-Moya Oyingcwele uya kunifundisa ngalo elolixa izinto enimelwe kukutî nitêtê zona.

13 Kekaloku utê ubani kuye endimbâneni, Mfundisi, yitsho kumzalwana wam, ahlulelane nam ilifa.

14 Utê-ke yena kuye, Mntundini, ndimiswe ngubanina ukuba ndibe ngumahluli nomabi pâkatî kwenu?

15 Watî-ke kubo, Lumkani nizilinde ngasekubaweni; ngokuba ubomi bomntu abumi ngabuninzi bupûma empahleni zakê.

Digitized by Google

16 Watêtâ-ke umzekeliso kubo, esiti, Umhlaba womntu otile osityebi wacûma kakûlu;

17 Wayecamanga pâkati kwakê, esiti, Ndiya kuti-nina; ngokuba andinandawo ndiya kuzihlanganisela kuyo iziqâmo zam?

18 Wati, Nantsi into endiya kuyenza; ndiya kubawisa pântsi ovimbâ bam, ndakê abangapêzulu kwabo; ndizihlanganisele kôna zonke izilimo zam nezinto zam ezilungileyo;

19 Nditi kuwo umpêfumlo wam, Mpêfumlo, unezinto ezininzi ezilungileyo ezibekelwe iminyaka emininzi; pûmla, yidla, sela, yiba nemihlali.

20 Utê-ke u-Tixo kuye, msweli kuqonda, ngobubusuku umpêfumlo wakô uya kubizwa kuwe; ziya kuba zezikabanina-ke ezonto uzilungisileyo?

21 Unjalo lowo uziqwebela ubutyebi, enge nabutyebi ku-Tixo.

22 Wati-ke kubo abafundi bakê, Ngenxa yoko nditi kuni, Musan' ukubuxâlela ubomi benu, ngokuti ningadla nto-nina; kwa nomzimbâ, ngokuti ningambâtâ nto-nina.

23 Ubomi bukûlu kunokudla, nomzimbâ kunento yokwambâtâ.

24 Qondani ngonomyayi aba, ngokuba abahlwayeli, abavuni; kubo akukô qonga navimbâ, kanti *noko* u-Tixo uyabondla; nina nibeke pina-ke ukuzigqita intaka!

25 Nguwupina-ke kuni onokuti ngokuxâla ongeze ebukûlwini bakê i-kubite ibe nye?

26 Ukuba ngoko aninakô ukwenza neyona nto incinane, yinina ukuba nizixâlele ezinye?

27 Qondani ngenyibiba, ukuhluma kwazo; azibulaleki, azisonti nokusonta; nditi-ke kuni, Naye u-Solomon kubo bonke ubunewunewu bakê wayengavatânga nanjenganye yazo ezi.

28 Ukuba-ke incâ, leyo isendle, eti namhla ibekô, ize ngomso ipôswe eziko, wenje njalo u-Tixo ubuyambêsa, wobeka pina-ke kuni, bantundini balukôlo luncinane?

29 Nani nize ningafun' ukuti ningadla nto-nina, nisele nto-nina; kanjalo nize ningatîngazi;

30 Ngokuba zonke ezonto zinxânyelwe zintlanga zehlabati; u-Yihlo-ke uyazi ukuba niziswele ezonto.

31 Funani ubukumkani buka-Tixo nina, zaye zonke ezonto ziya kongezelelwa kuni.

32 Musan' ukoyika, mhlambi mncinane; ngokuba kukôlekile ku-Yihlo ukuninika ubukumkani.

33 Têngisani ngempahla zenu, nilize ngazo; zenzeleni inxôwa yemali engagugiyo, ubutyebi obungapêliyo emazulwini, apô kungasondeliyo nanundu;

34 Kuba apô bukôna ubutyebi benu, yoba lapô nentliziyo yenu.

35 Mazibe zibînqiwe izinqe zenu, nezibane *zenu* zivutâ;

36 Nani nibe njengabantu abayilindileyo inkosi yabo, xeshikweni iya kubuya emsitweni; ukuze batî, yakufika inqonqoze, bayivulele kwa oko.

37 Banoyolo abobakônzi, eyotî yakufika inkosi ibafumane belindile. Inene nditi kuni, iya kubînqa, ibanqênqise bona, ize isondele ibalungiselele.

38 Nokuba itê yeza ngowesibini umlindo *wobusuku*, nokuba itê yeza ngowesitâtû umlindo, yafika kunjalo, banoyolo abobakônzi.

39 Kwazini-ke oku, ukuba umnini-ndlu ebesazi ukuba isela liza ngalipina ilixa ange elindile, akayiyekela indlu yakê igqojozwe.

40 Nani ngoko yibani nilungile; ngokuba u-Nyana womntu uza ngelixa eningalikûmbûleliyo.

41 Wati-ke u-Petros kuye, Nkosi, lomzekeliso uwutêtâ kuti uwutêtâ kubo bonke kusinina?

42 Itê-ke i-Nkosi, Ngubanina-ke elogosa litêmbêkileyo liqondileyo, eyotî inkosi ilimise pêzu kwabendlu yayo, ukuze libanike umamkelo wabo wokudla ngexesha elifanelekileyo?

43 Unoyolo lomkônzi eyotî yakufika inkosi yakê, imfumane esenje njalo.

44 Inene nditi kuni, iya kummisa pêzu kwayo yonke impahla yayo.

45 Ukuba-ke lomkônzi utê entliziyweni yakê, Inkosi yam iyalibala ukuza; ase aqale azibetê izicaka nezicakakazi, adleke, asele, anxile;

46 Yofika inkosi yalomkônzi ngemini angayilindeleyo, nangelixa angalaziyo, ize

Digitized by Google

imnqumle kubini, immisele isabelo sakê nabangatêmbêkileyo.
47 Yena-ke lomkônzi ubekwazi ukutânda kwenkosi yakê, akalungisa, akenza ngokutânda kwayo, uya kutyatyulwa ngemivumbô emininzi;
48 Ke yena obengazi, wenza-ke okufanele imivumbô, uya kutyatyulwa ibe mbâlwa. Kubo bonke abanikwe okukûlu, kuya kufunwa okukûlu kubo; nakulowo kubekwe okukûlu kuye, kuya kubizwa okungapêzulu.

49 Ndize kupôsa umlilo emhlabeni; hayi ukufuna kwam ukunga ngeuselupênjiwe!
50 Kukô-ke lu-bâptizo ndifanel' ukubâptizwa ngalo; asikuko nokuba ndicinezelekile lude lufezeke.
51 Niba ndize kungenisa uxolo-na emhlabeni? nditî kuni, Hayi, kanye ndize kungenisa imbambâno.
52 Kuba kuya kutî kutâbatêla kwalapâ, kubekô abahlanu ndlwini-nye bebambêne, abatâtû *bebambêne* nababini, nababini *bebambêne* nabatâtû.
53 Kuya kubambâna uyise nonyana, unyana noyise; unina nentombî, intombî nonina; uninazala nomolokazana, umolokazana noninazala.

54 Wayesitî-ke nakuzo indimbâne, Xa nitê nalibona ilifu lipûma entshonalanga, nitî kwa oko, Kuza isipângo, kusuke kube njalo.
55 Naxa sukuba nibona umoya wase-Zantsi uvutûza, nitî, Kuya kubakô ulopû, lusuke lubekô.
56 Bahanahanisindini, niyakwazi ukuyicalula imbônakalo yomhlaba neyezulu; kunganina-ke ukuba ningalicaluli lona elixesha?
57 Yinina-ke ukuba nina ngokwenu ningakwahluli okubulungisa?
58 Kuba xa uya nommangaleli wakô pâmbî komlauli, yitî endleleni apô usebenze ukutî uzikûlule kuye; hleze akufolele kumgwebi, aze umgwebi akunikele kumsila, umsila ukupôse entolongweni.
59 Nditî kuwe, Akusayi kukê upûme kôn'apô, ude uhlaule nemalana yokugqibela.

13 Kekaloku kwaye kukô abatîle ngeloxesha, ababembikela ama-Galili, agazi u-Pilato walipîtîkeza namadini awo.
2 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Nibana loma-Galili ebe ngaboni ngapêzu kwawo onke ama-Galili, ngokuba eve ubunzima obunjalo?
3 Nditî kuni, Hayi; notî xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwa ngokunjalo nonke.
4 Hi bona abo balishumi elinesibôzo bawelwa yinqaba ese-Silowa, yababulala, niba-na babe netyala ngapêzu kwabo bonke abantu abemiyo e-Yerusalem?
5 Nditî kuni, Hayi; notî xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwa ngokunjalo nonke.

6 Wabetêtâ-ke lomzekeliso, Ubani waye nomkîwane utyelwe esi-diliyeni sakê; weza efuna isiqâmo kuwo, akafumana nto.
7 Watî-ke kumsebenzi-sidiliya, Uyabona, ndiminyaka mitâtû ndisiza ndifuna siqâmo kulomkîwane, ndingafumani nto; wugaule; yinina ukuba ude upûtîse nomhlaba.
8 Apêndule-ke yena atî kuye, Nkosi, wuyeke nangalonyaka, ndide kêndimbê ndiwufaqe, ndigalele umgquba.
9 Ukuba-ke utê wavelisa isiqâmo, wowuyeka; ke ukuba akubanga njalo, wobuya uwugaule.

10 Kekaloku wayefundisa kwenye yezindlu zesikûngu ngayo i-sabatâ.
11 Kwabonakala kukô ntokazi ibinomoya wobulwelwe iminyaka elishumi elinesibôzo, yaye igobile, inge nakô kanye ukuzipâkamisa.
12 Eyibonile-ke u-Yesu, wayibiza watî kuyo, Ntokazindini, kûluleka ebulwelweni bakô.
13 Wayibeka-ke izandla; yoluka kwa ngoko, yazukisa u-Tîxo.
14 Kekaloku wapêndula umpâtî wendlu yesikûngu ecapûka, kuba u-Yesu wapîlisa nge-sabatâ, watî kwindimbâne, Mitândatû imihla enimel' ukusebenza ngayo; yizani ngayo ngoko nipîliswe, kungabi ngawo umhla we-sabatâ.
15 Yampêndula ngoko i-Nkosi, yatî, Mhanahanisindini, akatî-na elowo kuni ayikûlule nge-sabatâ inkomo yakê, noku-

Digitized by Google

ba li-esile *lakê* emkómbêni we-stali, alifole aye kuliseza?

16 Lo-ke, eyintombî ka-Abraham-nje, ayibopîleyo u-Satana, kângela, leminyaka ilishumi elinesibôzo, ubengamel' ukukûlulwa-na kulomabopê ngomhla we-sabatâ?

17 Akubon' ukuba uyazitêtâ ezondawo, badaniswa bonke abacâsene naye; yatî yonke indimbâne yavuya ngazo zonke izinto ezizukileyo ezenziwa nguye.

18 Wayesitî-ke, Bufana nanto-nina ubukumkani buka-Tîxo? ndiya kubufanisa nanto-nina?

19 Bufana nokôzo lwe-mostade, awalutâbatâyo umntu, walupôsa emyezweni wakê; lwahluma lwaba ngumtî omkûlu, zatî intaka zezulu zahlala emasebeni awo.

20 Wabuya watî, Ndiya kubufanisa nanto-nina ubukumkani buka-Tîxo?

21 Bufana negwele, awalitâbatâyo umfazi, walifihla ezilinganisweni zozitâtû zomgubo, wada wabiliswa upêla.

22 Waye ecanda kwimizi ngemizi, nemizana ngemizana, efundisa, esinga e-Yerusalem.

23 Kekaloku watî otîle kuye, Nkosi, bambâlwa-na abo basindiswayo? Wathi kubo,

24 Utê-ke yena kubo, Zamani ukungena ngesango elimxinwa; ngokuba nditî kuni, baninzi abaya kufuna ukungena, bakôhlwe.

25 Xa seletê wavuka umnini-ndlu, waluvala ucango, naza naqala ukuma ngapândle nokunqonqoza elucangweni, nisitî, Nkosi, Nkosi, sivulele; uya kuze apêndule atî kuni, Andinazi apô nivela kôna.

26 Niya kwandula niqale ukutî, Sadla, sasela emehlweni akô, nawe wafundisa ezi-trateni zetû.

27 Atî, Nditî kuni, andinazi apô nivela kôna; mkani kum, nina nonke basebenzi bokungalungileyo.

28 Kôna apô kuya kubakô ukulila nokutshixiza kwamazinyo, xa nitê nabona u-Abraham no-Isake no-Yakobi nabo bonke aba-profeti ebukumkanini buka-Tîxo, nibe-ke nina nikûtshelwe pândle.

29 Babeya kuza bevela em-Pumalanga nasen-Tshonalanga, nase-Ntla nase-Zantsi, banqênqê ebukumkanini buka-Tîxo.

30 Yabonani, bakô abokugqibela abaya kuba ngabokuqala; bakô nabokuqala abaya kuba ngabokugqibela.

31 Kwa ngalomini kweza aba-Farisi abatîle, besitî kuye, Pûma umke apâ; ngokuba u-Herode ufuna ukukubulala.

32 Watî kubo, Yiyani nitî kulompungutye, Uyabona, ndikûpa i-demon ndifinyeze impiliso namhla nangomso, nditî ngowesitâtû *umhla* ndifeze.

33 Kodwa ndimelwe kukutî ndihambê namhla nangomso nangolandelayo; ngokuba akangekê um-profeti atshabalalele ngapândle kwe-Yerusalem.

34 Yerusalem, Yerusalem, ebabulalayo aba-profeti, ibagibisele ngamatye abo batûnywe kuyo! kufutî kangakananina ndatândayo ukubabutêla ndawo-nye abantwana bakô ngohlobo esitî isikûkukazi siwabutêle ndawo-nye amantshontsho asô ngapântsi kwamapîko *aso*, anavuma!

35 Yabonani, indlu yenu ishiywa nani izê. Inene, nditî-ke kuni, Aniyi kuba sandibona, kude kufike ixesha eniya kutî. Makabongwe lowo uzayo ekwigama le-Nkosi.

14 Kwatî, akuba engene ngesabatâ endlwini yomnye wakubapâtî baba-Farisi, ukuba adle isonka, bahlala benilalele bona.

2 Kwabonakala, kukô pâmbî kwakê mntu utîle unegalimoya.

3 Wapêndula u-Yesu watêtâ kubo abaqondisi-mtêtô naba-Farisi, esitî, Kuvumelekile-na ukupîlisa nge-sabatâ?

4 Batî-qutu-ke bona. Wamtâbatâ, wampîlisa, wamndulula.

5 Wabapêndula watî, Lelikabanina kuni apâ i-esile nokuba yinkomo eya kweyela equleni, aze angayifoli kwa oko ngomhla we-sabatâ?

6 Bakôhlwa ukumpêndula kwezozinto.

7 Kekaloku watêtâ umzekeliso kwababemenyiwe, akugqala ukunyula kwabo izilili zobukûlu, watî kubo,

8 Xa utê wamenyelwa emsitweni ngubani, mus' ukunqênqâ esililini sobukûlu: hleze obekekileyo kunawe abe ubemenyiwe nguye,

9 Eze lowo ubenimemile, atî kuwe. Kwêlela *lomntu*, uze uqale ukutâbatâ indawo esekugqibeleni udanile.

10 Yitî xa utê wamenywa, uye uhlale

Digitized by Google

endaweni esekugqibeleni, ukuze, xa atê weza lowo ukumemileyo, atí kuwe, Sihlobo, nyukela ngasentla; wandule-ke ukuba nozuko emehlweni abo bahleli ndawo-nye nawe.

11 Ngokuba wonke umntu ozipâkamisayo uya kutôtywa, nozitôbayo uya kupâkanyiswa.

12 Wayesitî-ke nakulowo ummemileyo, Xa sukuba usenza isidlo sakusasa nokuba sesangokuhlwa, musa ukubiza izihlobo zakô, nabazalwana bakô, nemizalwane yakô, nabamelwane abazityebi; hleze nabo babuye bakumeme, ize *oko* kube yimbuyekezo kuwe.

13 Yitî xa sukuba usenza isidlo, umeme amahlwempu, izilima, iziqwala, imfama;

14 Woba nentsikelelo; ngokuba abanakô ukubuyekeza kuwe; kuba uya kubuyekezwa wena eluvukweni lwamalungisa.

15 Kekaloku, akuziva ezonto omnye kwabo babehleli naye, watí kuye, Unoyolo oya kudla isonka ebukumkanini buka-Tîxo.

16 Utê-ke yena kuye, Umntu otîle wenza isidlo esikûlu, wamema abaninzi.

17 Wasusa umkônzi wakê ngelixa lesidlo ukuba aye kutî kwabamenyiweyo, Yizani; ngokuba konke sekulungisiwe.

18 Baqala bonke ngakunye ukuzilandulela; owokuqala watî kuye, Nditêngê intsimi, kufuneka ukuba ndipûme ndiye kuyibona; ndiyakucela mandibe ngowabalandulelwayo.

19 Watî omnye, Nditêngê inkomo zedyokwe ezintlanu, ndiya kuziva; ndiyakucela mandibe ngowabalandulelwayo.

20 Watî omnye, Ndizekê umfazi, ngenxa yoko andinakuza.

21 Efikile lomkônzi, wayibikela-ke inkosi yakê ezondawo. Wandula waqumbâ umnini-ndlu, watî kumkônzi wakê, Pûma kamsinya uye ezi-trateni nakwizi-tratana zomzi, uqukele apâ amahlwempu nezilima neziqwâla nemfama.

22 Watî umkônzi, Nkosi, kwenzeke njengoko ubumisile, ukanti kusekô indawo.

23 Yatî inkosi kumkônzi lowo, Pûma uye ezindleleni, nasezintangweni, ubanyanzele bangene, ukuze indlu yam izale.

24 Kuba nditî kuni, akukô nanye kulomadoda abemenyiwe eya kusiva isidlo sam.

25 Kekaloku, kwaye kuhambâ naye indimbâne enkulu wajika, watî kuyo,

26 Ukuba ubani uza kum, angamtîyi uyise, nonina, nomfazi, nabantwana, nabazalwana, nodade, ewe, nobakê ubomi, akanakuba ngumfundi wam.

27 Nosukuba engawutwâli umnqamlezo wakê, andilandele, akanakuba ngumfundi wam.

28 Kuba nguwupîna kuni, otî etânda ukwakâ inqaba, angakê ahlale pântsi kuqala, abale indleko, ukuba unazo-na izinto zokuyigqiba?

29 Hleze, akubon' ukuba usibekile isiseko, akabi nakugqiba, batî bonke ababonelayo baqale ukuhlekisa ngaye,

30 Besitî, Lomntu waqala ukwakâ, wakôhlwa ukugqiba.

31 Kananjalo nguwupîna ukumkani, otî esiya kuhlangana nomnye ukumkani emfazweni, angakê ahlale pântsi kuqala, acinge ukuba unakô-na enashumi nye lamawaka, ukuhlangabeza omzelayo enamashumi amabini amawaka?

32 Ukuba-ke akanakô, utî esekude, asuse umntu, acele indawo zoxolo.

33 Ngokukwanjalo ngoko wonke umntu kuni ongazishiyiyo zonke impahla zakê, akanakuba ngumfundi wam.

34 Ilungile ityuwa; ke ukuba ityuwa itê yanyeliseka, yotîwa-nina ukuvakaliswa.

35 Ayiwulungele nomhlaba, ayiwulungele nomgquba; ilahlelwa pândle. Lowo unendlebe zokuva makeve.

15 Kekaloku, babesondela kuye bonke ababutî be-fafu naboni, ukuba bamve.

2 Baberoŕa-ke aba-Farisi nababâli besitî, Lo wamkela aboni adle nabo.

3 Watêtâ-ke kubo lomzekeliso, esitî,

4 Nguwupîna umntu kuni otî, enekûlu lezimvu ize kulahleke enye kuzo, angazishiyi ezingamashumi asitôba anesitôba entlango, asinge kuleyo ilahlekileyo, ade ayifumane?

5 Atî-ke akuyifumana, ayibeke emagxeni akê, evuya.

6 Atî akufika ekâya, ababizele ndawonye abahlobo nabamelwane, esitî kubo, Vuyisanani nam; ngokuba ndiyifumene imvu yam ebilahlekile.

7 Nditî kuni, ngokukwanjalo kuya kubakô uvuyo ezulwini ngomoni eba mnye

Digitized by Google

oguqukayo, kunamashumi asitôba anesitôba amalungisa angaswele nguquko.

8 Kanjalo nguwupîna umfazi ene-drafima [1] zilishumi, ongetî, ukuba itê yalahleka enye i-drafima,[1] alumeke isibane, ayitshayele indlu, afune enyamekile ade ayifumane?

9 Atî akuyifumana, ababizele ndawo-nye abahlobo nabamelwane, esitî, Vuyisanani nam; ngokuba ndiyifumene i-drafima [1] ebindilahlekile.

10 Ngokukwanjalo nditî kuni, kubakô uvuyo emehlweni ezitûnywa zika-Tixo ngomoni eba mnye oguqukayo.

11 Kekaloku watî, Umntu otîle ube nonyana ababini.

12 Watî omnci wabo kuyise, Bawo, ndinike isahlulo sempahla esilunge nam. Wababela impilo-leyo.

13 Kutê kungekabi ntsuku zininzi, wahlanganisa into yonke unyana omnci, wesuka kwelakowabo, waya ezweni elikude, watî kon' apô wayicîta impahla yakê ngentlalo yokuzibûbîsa.

14 Akubon' ukuba udle konke, kwabakô indlala enzima kwelozwe, waqala ukuswela naye.

15 Waya wanamatêla komnye kubemi belozwe; watî yena wamtûmela emihlabeni yakê ukuba aye kwalûsa ihangu.

16 Ubenqwenela-ke ukusizalisa isisu sakê ngengxâm ezabe zidliwa zihangu; bekungekô mntu umpâyo.

17 Kekaloku, akuba nokuziqonda, watî, Kanene bangakananina abaqeshwa bakababawo, abadikwa zizonka; nanku-ke mna ndipêla yindlala?

18 Ndiya kusuka ndiye kubawo, nditî kuye, Bawo, ndonile kulo izulu nasemehlweni akô.

19 Andisafanele kubizwa ngonyana wakô, ndenze ndibe njengomnye kubaqeshwa bakô.

20 Wesuka weza kuyise. Kekaloku, akubon' ukuba usekude lé, uyise wambona, wasikwa yimfesane, wagidima wawa entanyeni yakê, wamanga.

21 Watî-ke unyana kuye, Bawo, ndonile kulo izulu nasemehlweni akô, andisafanele kubizwa ngonyana wakô.

22 Utê-ke uyise kubakônzi bakê, 'Rolani ingubo ende eyona intle, nimambâtîse, nifake umsesane esandleni sakê, nembâdada ezinyaweni zakê.

23 Nizise itôle elona lityetyisiweyo, nixêle; sidle sibe nemihlali.

24 Ngokuba lonyana wam ubefile, wabuya wapîla; ubelahlekile, wafunyanwa. Baqala-ke ukuba nemihlali.

25 Kekaloku unyana wakê omkûlu ebe sentsimini; watî xa azayo wasondela endlwini, weva ukugwala nokududa.

26 Wabizela kuye omnye kubakônzi, wambuza ukuba zingaba ziyinina ezizinto.

27 Utê-ke yena kuye, Umninawe wakô ufikile; uyihlo-ke uxêle itôle eliya lityetyisiweyo; ngokuba ebuye wamzuza epîlile.

28 Waqumbâ-ke, akavuma nokungena. Upûmile-ke uyise wambongoza.

29 Wapêndula-ke yena watî kuyise, Uyabona, leminyaka ingakanana ndiyakukônza, andizanga ndigqite mtêtô wakô; ukanti akuzanga undinike netakane eli ukuze ndenze imihlali nezam izihlobo;

30 Kodwa xenikweni afikileyo lonyana wakô, wayidlayo wayigqiba impilo yakê namahenyukazi, umxêlele itôle eliya lityetyisiweyo.

31 Utê-ke yena kuye, Mntwanam, wena uhleli unam, nazo zonke into zam zezakô.

32 Besimelwe kukutî senze imihlali-ke sivuye; ngokuba umninawe wakô lo ebefile, wabuya wapîla; ubelahlekile, wafunyanwa.

16 Kekaloku wayesitî nakubafundi bakê, Kwaye kukô umntu otîle osityebi obe negosa; laza lona lancetezwa kuye, ukuba lingoyicîtayo impahla yakê.

2 Elibizile-ke watî kulo, Yinto-nina le ndiyivayo ngawe? kâwenze ingxelo yobugosa bakô; kuba akusokuba saba ligosa.

3 Latî-ke igosa ngapâkatî kwalo, Ndiya kutî-nina? ngokuba inkosi yam iyabhluta ubugosa kum, ukumbâ kundikôhlele; ukunqîba ndinentloni.

4 O! ndiyayazi into endiya kuyenza, ukuze xa nditê ndakûtshwa ebugoseni bandamkele ezindlwini zabo.

5 Libabizele kulo ngabanye abanetyala enkosini yalo, latî kowokuqala, Unatyala lingakananina enkosini yam?

6 Utê-ke yena, Likûlu le-bate ze-oli. Latî kuye, Tâbatâ i-pepana lakô, uhlale

[1] I-drafima enye izi-peni ezisibôzo.

Digitized by Google

pântsi msinya, ubâle amashumi amahlanu.

7 Emva koko latî komnye, Wena-ke unatyala lingakananina? Utê-ke yena, Likûlu le-kore zenqôlowa. Latî kuye, Tâbatâ ipêpâna lakô, ubâle amashumi asibôzo.

8 Yaza inkosi-leyo yalincoma igosa elingalungisiyo, ngokuba lenza ngokuqonda; ngokuba bona abelipâkade kwesabo isizukulwana benokuqonda ngapêzu kwabo abokukânya.

9 Nam nditî kuni, Zenzeleni izihlobo ngabo ubutyebi bokungalungisi, ukuze xa nitê napêlelwa, namkelwe eminqubeni engunapâkade.

10 Otêmbêkileyo kokuncinane, utêmbêkile nakokukûlu; nongalungisiyo kokuncinane akalungisi nakokukûlu.

11 Ukuba ngoko anibanga nakutêmbêka ebutyebini bokungalungisi, ngubanina owonitêmbâ kobo buyinyaniso?

12 Nokuba anibanga nakutêmbêka koko komnye, ngubanina oya kuninika okukokwenu?

13 Akukô mkônzi unakô ukukônza nkosi mbîni; kuba eya kuyitîya lé, atânde leya; atî mhlaumbî abambêlele kulé, ayidele leya; aninakô ukukônza u-Tîxo nobutyebi.

14 Kekaloku baye beziva ezondawo zonke nabo aba-Farisi amatânda-mali, baye bemsinekela-ke.

15 Watî kubo, Nina ningabazigwebelayo emehlweni abantu; kodwa u-Tîxo uyazazi intliziyo zenu; ngokuba oko kupâkanyisiweyo pâkatî kwabantu, kulisikizi emehlweni ka-Tîxo.

16 Yayingumtêtô naba-profeti kwada kwaku-Yohane, kuselokoko ubukumkani buka-Tîxo buyashunyayelwa, bonke bayangena kubo ngokugonyamela.

17 Ke, kulula ukuba lidlule izulu nomhlaba, kunokuba kuwe nalinye isuntswana lomtêtô.

18 Wonke umntu omalayo umfazi wakê, azeke wumbî, uyaexeza; nomntu wonke ozeka owalene nendoda, uyaexeza.

19 Ke, bekukô umntu otîle osityebi, obevatâ ezibomvu neze-linen ecikizekileyo, esenza imihlali yokuzuka kwakê imihla yonke.

20 Bekukô-ke hlwempu litîle ligama lingu-Lazaro, elalikâhlelwe esangweni lakê, lizele zilonda,

21 Linqwenela ukuhlutiswa ngemvutûluka eziwa e-tafileni yesityebi-eso; zibe zisitî izinja zize zikôte izilonda zalo.

22 Kekaloku, latî lafa ihlwempu-elo, lasiwa zizitûnywa zezulu esifubeni sika-Abraham; safa-ke nesityebi sancwatywa.

23 Size sise-hadesi,[1] sipâkamise amehlo aso sisentutûmbêni, simbone u-Abraham ekude, u-Lazaro esesifubeni sakê.

24 Samemeza sona satî, Bawo, Abraham, ndenzele inceba, utûme u-Lazaro, ukuba atî-nxu incam yomnwe wakê emanzini, apôzise ulwimi lwam; ngokuba ndiyatûtûnjelwa kwelilangatye.

25 Utê-ke u-Abraham, Mntwanam, kûmbûla ukuba wena wazifincelela ebomini bakô izinto zakô ezilungileyo, no-Lazaro ngokukwanjalo izinto ezimbî; ngoku-ke yena uyatûtûzelwa, wena-ke uyatûtûnjelwa.

26 Kananjalo ngapândle kwalento yonke, pâkatî kwetû nani kutwe-zinzi umntsantsa omkûlu, ukuze aba batânda ukupûmela, besuka apâ besiya kuni, bangabi nakô; batî nabalapô bangabi nakuwelela kutî.

27 Satî, Ndiyakucela ngoko, bawo, ukuba umtûme endlwini kabawo;

28 Kuba ndinabazalwana abahlanu; ukuba abaqononondise, ukuze bangatî nabo beze kulendawo yentutûmbô.

29 Atî u-Abraham kuso, Bano-Moses naba-profeti, mabeve bona.

30 Sitê-ke sona, Hayi, bawo Abraham; ukuba kutê kwaya kubo ovela kwabafileyo, boguquka.

31 Utê-ke kuso, Ukuba u-Moses naba-profeti ababeva, abakoyiseka nokuba kutê kwavuka bani kwabafileyo.

17 Watî-ke kubo abafundi, Azinakuba zingezi izikûbekiso; yeha-ke lomntu, ziza ngaye!

2 Angasizakala kanye utê wagangxwa ilitye lokusila entanyeni yakê, wajulelwa elwandle, kunokuba akûbekise noko amnye kwaba bancinane.

3 Zilumkeleni; ukuba-ke umzalwana wakô utê wakona, mkâlimele; ukuba utê waguquka, mxolele.

4 Nokuba utê wakona kasixênxe ngemini, waza wabuyela kuwe kasixênxe

[1] Intlalo yabafileyo.

Digitized by Google

ngemini, esitî, Ndiyaguquka; wotî umxolele.

5 Aba-postile batî e-Nkosini, Songeze ukôlo.
6 Itê-ke i-Nkosi, Ukuba beninokôlo olunjengokôzo lwe-mostade, beningatî kulomtômbê, Ncotûka, utyaleke pâkatî elwandle; uze unive.
7 Ngubanina-ke kuni, enomkônzi elima mhlaumbî esalūsa, oya kutî, akungena evela entsimini, atî kwa oko kuye, Yiza uhlale pântsi;
8 Ongayi kutî kanye kuye, Lungisa into endiya kuyidla, uze ubînqe undilungiselele, ndide ndidle ndisele; wotî emva koko udle usele nawe?
9 Anga nombulelo kulomkônzi yinina, ngokuba enze izinto azimiselweyo? Anditsho mna.
10 Ngokukwanjalo nani, xa nitê nazenza zonke izinto enazimiselwayo, yitîni, Singabakônzi abangancedi luto; ngokuba sanele ukwenza oko besimelwe kukutî sikwenze.
11 Kwatî ekuhambêni kwakê ukuya e-Yerusalem, wacanda pâkatî kwelama-Samariya nelase-Galili yena.
12 Akubon' ukuba ungena mzini utîle amhlangabeza amadoda alishumi eneqênqa, amela mgama.
13 Wona apâkamisa izwi, esitî, Yesu. mongameli, senzele inceba.
14 Ewabonile-ke, watî kuwo, Hambâni niye kuzibonakalalisa kubabingeleli.[1] Kwatî ekuyeni kwawo, ahlanjululwa.
15 Itê-ke enye kuwo apô, yakubona ukuba ipîlisiwe, yabuya imzukisa u-Tîxo ngezwi elikûlu.
16 Yawa ngobuso ezinyaweni zakê, ibulela kuye; yaye yona ingum-Samariya.
17 Wapêndula-ke u-Yesu watî, Babengahlanjululwanga belishumi-na? bapîna-ke abasitôba?
18 Akufumanekanga-na babuyileyo besiza kuzukisa u-Tîxo, nguló wolunye uhlanga yedwa-na?
19 Watî kuye, Vuka, uhambê; ukôlo lwakô lukusindisile.

20 Kekaloku, akubuzwa ngaba-Farisi ukuba ubukumkani buka-Tîxo buya kufika ninina, wabapêndula watî, Ubukumkani buka-Tîxo abufiki bunokulolongeka.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

21 Kanjalo akuyi kutîwa, Nabu apâ! nabuya pâya! kuba yabonani, ubukumkani buka-Tîxo bungapâkatî kwenu.

22 Watî-ke kubo abafundi, Kuya kufika mihla, niya kunqwenela ngayo ukuwubona noko umnye umhla wo-Nyana womntu, ningawuboni;
23 Baya kutî-ke kuni, Nanku apa! nankuya pâya! musan' ukuya, ningapûtûmi nokupûtûma.
24 Kuba kwanjengokuba umbane ubaneka upûma kwelinye icala elipântsi kwezulu, ukânye usingise kwelinye elipântsi kwezulu, uya kuba njalo no-Nyana womntu ngomhla wakê.
25 Kodwa kuqala umelwe kukutî eve ubunzima obuninzi, alahlwe sesisizukulwana.
26 Njengoko kwaye kuhle ngemihla ka-Nowa, koba njalo nangemihla yo-Nyana womntu.
27 Babesîdla, babesela, babezeka, babesendisa, kwada kwayimini awangena ngayo u-Nowa emkômbêni; wafika unogumbê, wabatshabalalisa bonke.
28 Njengoko kwaye kunjalo nangemihla ka-Lote; babesidla, babesela, babetênga, babetêngisa, babetyala, babesakâ;
29 Kodwa ngemini awapûma ngayo u-Lote e-Sodom, kwana umlilo ne-sulfure ezulwini, batshatyalaliswa bonke.
30 Kuya kuba kwa njengoko ngemini atŷileka ngayo u-Nyana womntu.
31 Ngalomini, oya kuba pêzu kwendlu zibe impahla zakê zisendlwini, makangehli aye kuzitâbatâ. Kwa ngokunjalo nosentsimini makangabuyeli kwezisemva.
32 Kûmbûlani umka-Lote.
33 Otê wafuna ukuwusindisa umpêfumlo wakê, wolahlekelwa nguwo; otê wawulahla, uya kuwulondoloza.
34 Nditî kuni, Ngobobusuku ababini boba sililini sinye; omnye amkelwe, omnye ashiywe.
35 *Amankazana* amabini oba esila ndawo-nye; enye yamkelwe, enye ishiywe.
36 Abantu ababini boba sentsimini; omnye amkelwe, omnye ashiywe.
37 Bapêndula batî kuye, Pîna, Nkosi Itê-ke yona kubo, Apô sikôna isidûmbū, aya kuhlanganisana kôna amaxalanga.

Digitized by Google

18 Kekaloku, wayetêtâ nomzekeliso kubo wokuba bamelwe kuhlala betândaza bangetî amandla;

2 Esitî, Kwaye kukô umgwebi emzini otîle, ongamoyikiyo u-Tîxo, ongamhloneleyo nomntu.

3 Bekukô-ke umhlolokazi otîle kulomzi; obeman' ukuza kuye, esitî, Ndikûlule kummangaleli wam.

4 Kwaba mzuzu engavumi; kodwa kamva watî ngapâkatî kwakê, Nakuba ndingamoyiki u-Tîxo, ndingamhlonele nomntu;

5 Noko ngenxa yokuba lomhlolokazi endibulala, ndomlungisa ndimkûlule hleze ade eze andapûle.

6 Itê-ke i-Nkosi, Kuveni okutêtwa ngumgwebi ongalungisiyo.

7 Ke yena u-Tîxo akayi kukê abalungise-na abanyulwa bakê, abakâla kuye imini nobusuku, noko azeka kade umsindo ngabo?

8 Nditî kuni, Uya kubalungisa abakûlule kamsinya. Kodwa-ke akufika u-Nyana womntu, wolufumana-na-ke ukôlo emhlabeni apâ?

9 Kekaloku, watêtâ lomzekeliso nakwabatîle abebekôlose ngokutî ngapâkatî kwabo bangamalungisa, bengabenze nto abanye.

10 Amadoda amabini enyuka aya e-tempileni, esiya kutândaza; enye ingum-Farisi, enye ingumbutî we-fafu.

11 Um-Farisi ezimise yedwa wayetândaza, esitî, Tîxo ndiyabulela kuwe, ukuba ndinge njengabanye abantu, abapângi, abange malungisa, abafexezi, ndinge njengaye nalombutî we-fafu.

12 Ndizila ukudla kabini nge-veki, ndinikela izishumi zako konke endikuzuzayo.

13 Waye umbutî we-fafu emi kude engatândi nokupâkamisela amehlo akê ezulwini, wamana ukubetâ esifubeni sakê, esitî, Tîxo, yiba netafu kum, mna moni.

14 Nditî kuni, Wehla lo waya endlwini yakê egwetyelwe yena kunalowa; ngokuba wonke umntu ozipâkamisayo uya kutôtywa; nozitôbayo-ke uya kupâkanyiswa.

15 Kekaloku, baye bezisa kuye nentsana zabo, ukuze azicûkumise; bebonile-ke abafundi, babakâlimela.

16 Ke yena u-Yesu wazibizela kuye, watî, Bavumeleni abantwana beze kum, ningabaleli; kuba ubukumkani buka-Tîxo bobabo banjalo.

17 Inene nditî kuni, Otê akabamkela ubukumkani buka-Tîxo njengomntwana, akasayi kukê angene kubo.

18 Umpâtî otîle wambuza, esitî, Mfundisi ulungileyo, mandenze nto-nina, ukuze ndibudle ilifa ubomi obungunapâkade?

19 Utê-ke u-Yesu kuye, Yinina ukuba utî ndilungile? Akukô ulungileyo, mnye kwapêla, ngu-Tîxo.

20 Uyayazi imitêtô: musa ukufexeza, musa ukubulala, musa ukubà, musa ukunqîna ubuxoki, beka uyihlo nonyoko.

21 Utê-ke yena, Zonke ezozinto ndazigcina kwasebuncinaneni bam.

22 Ekuvile-ke oko u-Yesu, watî kuye, Kusekô nto nye uyisweleyo: zonke izinto onazo têngisa ngazo, wabele amahlwempu, woba nobutyebi-ke ezulwini; uze undilandele.

23 Ezivile-ke ezondawo, waba buhlungu kakûlu; kuba ube sityebi kunene.

24 U-Yesu akumbona-ke ebuhlungu kakûlu, watî Hayi ukuba ngenkankulu ukutî abo banobutyebi bangene ebukumkanini buka-Tîxo.

25 Kuba kulula ukuba in-kamela ipûmele entunjeni ye-naliti, kunokuba isityebi singene ebukumkanini buka-Tîxo.

26 Batî-ke abo bevayo, Ngubanina-ke ongasindiswayo?

27 Utê-ke yena, Izinto ezinge nakwenzeka kubantu, zinokwenzeka kuye u-Tîxo.

28 Utê-ke u-Petros, Uyabona, tina sishiye into zonke, sakulandela.

29 Utê-ke yena kubo, Inene nditî kuni, Akukô namnye ushiye indlu, nokuba ngabazali, nokuba ngabazalwana, nokuba ngumfazi, nokuba ngabantwana, ngenxa yobukumkani buka-Tîxo,

30 Ongasayi kwamkela into ezipîndapîndiweyo ngalo elixesha, aze ngelo lizayo ipâkade *amkele* ubomi obungunapâkade.

31 Kekaloku ubatâbatîle abalishumi elinababini, watî kubo, Niyabona, siyenyuka siya e-Yerusalem, zaye ziya kupêlela zonke izinto ezibâliweyo ngabaprofeti kuye u-Nyana womntu.

Digitized by Google

32 Kuba uya kunikelwa kuzo in-Tlanga, kudlalwe ngaye, apâtwe kakubi, atshicelwe;
33 Zimtyakatye, zimbulale; atî ngomhla wesitâtû abuye avuke.
34 Bona abaqondanga nento kwezizinto; laye nelilizwi lifihlakele kubo, babengazazi izinto ezitêtwayo.

35 Kwaye kekaloku ekusondeleni kwake e-Yeriko, kuhleli imfama etîle ngasendleleni inqîba.
36 Itê yakuva kudlula indimbâne, yamana ibuza ukuba ingaba yinto-nina le.
37 Bayixelela-ke ukuba kudlula u-Yesu wase-Nazarete.
38 Yabômbôloza isitî, Yesu nyana ka-Davide, ndenzele inceba.
39 Baye abo babehambâ ngapâmbîli beyikâlimela ukuba itî-tu; kwaba kukônake yona yakâlayo ngakumbî, isitî, Nyana ka-Davide, ndenzele inceba.
40 Wema-ke u-Yesu, watî mayiziswe kuye. Yakusondela-ke wayibuza,
41 Esitî, Ufuna ukuba ndikwenzele ntonina? Itê-ke yona, Nkosi, ukuba ndibuye ndibone.
42 U-Yesu watî kuyo, Buy'ubone; ukôlo lwakô lukusindisile.
43 Kwangoko yabuya yabona, yamlandela imzukisa u-Tixo; batî bonke abantu bakukubona badumisa u-Tixo.

19 Waye engene *u-Yesu* ecanda e-Yeriko.
2 Kwakô ndoda ibizwa ngegama elinguZakeyu, yaye yona iyintloko yababutî befufu, yaye isisityebi yona.
3 Yayifuna ukumbona u-Yesu ukuba ngubanina; ayabi nakô ngenxa yendimbâne, ngokuba ngesitômo yayimfutshane.
4 Yagidima ngapâmbîli, yakwela kumtômbê ukuze imbone; ngokuba ebeza kudlula ngapô.
5 Akufika kulondawo, wakângela pêzulu u-Yesu, wayibona, watî kuyo, Zakeyu, kâuleza uhle; kuba namhla-nje ndimelwe kuhlala endlwini yakô.
6 Wakâuleza-ke, wehla, wamamkela ngobubele evuya.
7 Baye bonke bakuyibona lonto, beqoba, besitî, Ungene waya kulala kwindoda engumoni.

8 Wema-ke u-Zakeyu, watî kuyo i-Nkosi, Uyabona, isiqingatâ sempahla yam, Nkosi, ndisinika amahlwempu; nokuba ndidle into kabani ngokumtyôla, ndimbuyisela kane.
9 Utê-ke u-Yesu kuye, Namhla-nje kufikê usindiso kulendlu, ngokokuba naye engunyana ka-Abraham;
10 Kuba u-Nyana womntu weza kufuna nokusindisa oko kulahlekileyo.

11 Kekaloku, bakubon' ukuba bayaziva ezizinto, uqokele watêtâ umzekeliso, ngenxa yokuba ebekufupî e-Yerusalem, nangokuba bebesiba ubukumkani buka-Tixo buza kubonakala kwa ngoko.
12 Watî ngoko, Umntu otîle olinene wahambêla ezweni elikude, eya kuzamkelela ubukumkani, aze abuye.
13 Ubabizile-ke abakônzi bakê abalishumi, wabanika î-mina[1] zalishumi, watî kubo, Rwebani ndide ndifike.
14 Ke abemi bomzi wakê bebemtîyile, batûma izigidimi emva kwakê, besitî, Asitândi ukuba lo abe ngukumkani pêzu kwetû.
15 Kwatî, akuba ebuyile, ebamkele ubukumkani, watî, Mababizelwe kuye abobakônzi abebanike imali leyo, ukuze azi ukuba unantsi ufwebe nto-nina.
16 Wavela-ke owokuqala esitî, Nkosi i-mina[1] yakô izele i-mina zalishumi.
17 Utê kuye, He-ke, mkônzi ulungile yo; ngokuba waba nokutêmbêka entweni encinanana, yiba negunya kwimizi elishumi.
18 Weza nowesibini, esitî, Nkosi, i-mina[1] yakô yenze i-mina zantlanu.
19 Utê-ke nakulowo, Nawe yiba pêzu kwemizi emihlanu.
20 Weza nomnye esitî, Nkosi, nantsi i-mina[1] yakô endibe ndinayo ndiyibeke eqîyeni;
21 Kuba ndibe ndikoyika wena, ngokuba ungumntu obunqabanqaba, utâbatâ into ongayibekanga, uvune into ongayihlwayelanga.
22 Atî-ke kuye, Ndiya kukugweba ngokupûma emlonyeni wakô, mkônzindini ungendawo; ubusazi-nje ukuba mna ndingumntu obunqabanqaba, otâbatâ into angayibekanga, avune into angayihlwayelanga;
23 Ibi yinina pôfu, ukuba ungayibeki i-

[1] I-mina izi-ponti ezintandatû ziye-zibelesi ezintlanu.

Digitized by Google

mali yam e-bânkini, ndaza mna ekufikeni ndaba ndiyibize inenzala?
24 Watî kwababemi ngakôna, Mhlutêni i-mina-leyo, niyinike lowo une-mina[1] ezilishumi.
25 Batî-ke kuye, Nkosi, une-mina[1] ezilishumi.
26 Kuba nditî kuni, Wonke umntu onakô uya kunikwa; onge nakô-ke uya kuhlutwa kwa noko anakô.
27 Ke zona ezontshaba zam zazingatândanga ukuba ndibe ngukumkani pêzu kwazo, ziziseni apâ, mzincinitê pâmbî kwam.

28 Waye, akuba ezitêtîle ezizinto, ehambâ ngapâmbîli, enyuka esiya e-Yerusalem.
29 Kwatî, akusondela e-Betefage nase-Betani, esingise entabeni ekutîwa yeyemi-Nquma, wesusa bababini kubafundi bakê,
30 Watî, Hambâni niye emzaneni-lo ukângelene nani; notî, nakungena kuwo, nifumane itôle le-esile libotshelelwe, ekungazanga kuhlale namnye umntu pêzu kwalo; likûluleni nilizise.
31 Nokuba ubani uyanibuza, esitî, Yinina ukuba nilikûlule? notî ukutêtâ kuye, Liyafuneka e-Nkosini.
32 Basuka-ke baya abo babetûnyiwe, bafumana kunjengoko abekutshilo kubo.
33 Kekaloku, bakubon' ukuba bayalikûlula itôle batî abaninilo kubo, Nilikûlulela-nina itôle?
34 Batî-ke bona, Liyafuneka e-Nkosini.
35 Balizisa ku-Yesu, bapôsa ingubo zabo pêzu kwetôle-elo, bamkwelisa u-Yesu.
36 Akubon' ukuba uyahambâ-ke, bamana bezandlala ingubo zabo endleleni.
37 Kekaloku akubon' ukuba selesondele ekuhleni kwayo intaba yemi-Nquma, yaqala yonke inkitâ yabafundi yavuya, yadumisa u-Tîxo ngezwi elikûlu ngayo yonke imisebenzi yamandla abayibonayo;
38 Besitî, Makabongwe lo-Kumkani uzayo esegameni le-Nkosi; uxolo ezulwini, uzuko enyangweni.
39 Abatîle kuba-Farisi endimbâneni apô batî kuye, Mfundisi, bakâlimele abafundi bakô.
40 Wapêndula watî kubo, Nditî kuni, kungatî kutê-ckwaka aba, kunqangaze amatye-la.

[1] I-mina izi-ponti esintandatû zine-shelenî ezintlanu.

41 Akusondela wawubona umzi wawulilela,
42 Esitî, Akwaba ubusazi nawe lo, kwangayo yona lemini yakô, izinto ezizezoxolo lwakô, ke kungoku zifihliwe emehlweni akô!
43 Ngokuba uya kufikelwa yimihla, eziya kutî intshaba zakô zikubiyele ngodonga, zikungqinge, zikuxine ngenxa zonke.
44 Zikukâhlele pântsi wena, nabantwana bakô pâkatî kwakô; zingashiyi nelitye pêzu kwelitye pâkatî kwakô, ngenx' enokuba ungalazanga ixesha lokuvelelwa kwakô.

45 Waza eye kungena e-tempileni, waqala ukubakûpâ abo babetêngisa kuyo nabebetênga,
46 Esitî kubo, Kubâliwe *kwatîwa:* Indlu yam yindlu yokutândaza; ke nina niyenze umqolombâ wezihange.

47 Wayefundisa imihla ngemihla e-tempileni apô. Baye-ke ababingeleli[1] abakulû nababâli kwa nabazintloko zabantu befuna ukumtshabalalisa.
48 Baye-ke bengafumani nto bangayenzayo; kuba bonke abantu babenamatêle kuye, bempûlapûla.

20 Kwatî ngenye imini, akubon' ukuba uyabafundisa abantu e-tempileni, eshumayela indaba ezilungileyo, wafikelwa ngababingeleli[1] abakûlu nababâli kunye namadoda amakûlu,
2 Batêtâ kuye besitî, Sixelele, uzenza ngagunya linina ezizinto? kanjalo ngubanina okunike eligunya?
3 Wapêndula-ke watî kubo, Nam ndiya kubuza kuni zwi nye, ize nindixelele-ke.
4 U-bâptizo luka-Yohane lwalupûma ezulwini, lwalupûma ebantwini sinina?
5 Bacamanga-ke bona bodwa, besitî, Ukuba sitê, Lwapûma ezulwini; wotî, Ibi yinina pôfu ukuba ningakôlwa nguye?
6 Ukuba-ke sitê, Lwapûma ebantwini; bonke abantu bosigibisela ngamatye; kuba beyisekile ukuba u-Yohane ungumprofeti.
7 Bapêndula ngokutî, abazi ukuba lwapûma pina.
8 Watî-ke u-Yesu kubo, Nam-ke andi-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

nixeleli ukuba ndizenza ngagunya linina ezizinto.

9 Kekaloku waqala watêtâ ebantwini lomzekeliso, Umntu otîle watyala isi-diliya, waqeshisa ngaso kubalimi, wahambêla *kwelinye ilizwe* umzuzu owaneleyo.

10 Watî ngalo ixesha elifanelekileyo watûma umkônzi kubalimi, ukuba bamnike esiqâmeni sesi-diliya. Basuka-ke bona abalimi bamtyabula, bamndulula elambâtâ.

11 Wapînda watûma omnye umkônzi. Bamtyabula-ke nalowo, bamhlazisa, bamndulula elambâtâ.

12 Wapînda watûma nowesitâtû. Batî-ke bona bamnxwelefa nalowo, bamkûpâ.

13 Utê-ke umnini-si-diliya, Ndiya kutî-nina? ndiya kutûma unyana wam oyintânda, mhlaumbî bakumbona, bangamhlonela yena.

14 Batê-ke abalimi, bakumbona bacamanga bodwa, besitî, Yindla-mafa le; yizani siyibulale, ukuze ilifa libe leletû.

15 Bamkûpêla ngapândle kwesi-diliya, bambulala. Uya kutî-nina-ke ngoko kubo umnini-si-diliya?

16 Uya kufika abatshabalalise abobalimi, asinikele bambî isi-diliya-eso. Batê-ke bakukuva oko, Mayingabikô lonto!

17 Wondela-ke kubo, watî, Yinto-nina pôfu le ibâliweyo:

Ilitye abalicekisayo abakî,
Lelona laba yintloko yembômbô?

in-Dum. 118, 22.

18 Bonke abatê bawa pêzu kwelilitye botyumka; ke bona elitê labawela lobabetâ batî-sâ.

19 Baza ababingeleli[1] abakûlu nababâli bafuna ukumsa izandla ngelolixa; boyika abantu, kuba bebesazi ukuba uwutêtê esingisele kubo lomzekeliso.

20 Bamlalela, batûma intlola ezizenza amalungisa, ukuba zimbambîse ngokutêtâ, ukuze bamnikele elulaulweni nasegunyeni le-fulumeli.

21 Zambuza-ke zisitî, Mfundisi, siyazi ukuba utêtâ ufundise nobulungisa, ungakêtî buso bamntu, usuka ufundise indlela ka-Tîxo ngenene.

22 Kuvumelekile-na ukuba simnike i-fafu u-Kesare, *akuvumelekile* sinina?

23 Ebuqondile kakuhle ubuqêtsoba bazo, watî kuzo, Nindilingela-nina?

24 Ndiboniseni i-denariyo. Inomfanekiso nombâlo kabanina? Zipêndule-ke zatî, Ka-Kesare.

25 Utê-ke yena kuzo, Nikelani kaloku into zika-Kesare ku-Kesare; nento zika-Tîxo ku-Tîxo.

26 Zakôhlwa ukumbambîsa ngamazwi pâmbî kwabantu; zamangaliswa yimpendulo yakê, zatî-cwaka.

27 Kwafika-ke *kuye* abatîle bakuba-Sadusi, bon'abo bakupîkayo ukuba kukô uvuko; bambuza,

28 Besitî, Mfundisi, u-Moses wasibâlela watî: Ukuba ozalana notîle utê wafa enomfazi, wafa-ke lowo enge nabantwana, maze ozalana naye amzeke umfazi-lowo, amvelisele imbêwu ozalana naye.

29 Ke bekukô abantu abasixênxe bezalana, waza owokuqala wazeka umfazi, wafa enge nabantwana.

30 Nowesibini wamzeka umfazi-lowo, wafa naye enge nabantwana.

31 Nowesitâtû wamzeka; benje njalo-ke bosixênxe, bafa bengashiyanga bantwana.

32 Emveni-ke kwabo bonke wafa naye umfazi-lowo.

33 Eluvukweni ngoko ungumfazi wawupîna kubo? kuba bosixênxe bebe naye engumfazi.

34 Wapêndula-ke watî kubo u-Yesu Abelipâkade bayazeka bayendiswa;

35 Ke bona abo kutîwe bafanele ukufika kwelopâkade nakukuvuka kwabafileyo abazeki abendiswa;

36 Kuba abase nakubuye bafe; kuba bengangezitûnywa zezulu; kanjalo bangonyana baka-Tîxo, bengabovuko njalo.

37 Kekaloku lendawo yokuba abafileyo bayavuka, no-Moses wayitî-tûpâ etyolweni, xenikweni atî: I-Nkosi ingu-Tîxo ka-Abraham, ingu-Tîxo ka-Isake, ingu-Tîxo ka-Yakobi.

38 Aka-Tîxo-ke wabafileyo, ungowabaphilileyo; kuba bonke bapîle ngaye.

39 Bapêndula-ke abatîle bakubabâli batî, Mfundisi utyapîle ukutsho.

40 Baye-ke bengase nabuganga bakumbuza nento le.

41 Watî-ke kubo, Batsho nganîna ukuti u-Kristu ungunyana ka-Davide?

[1] Abenzeleleli kwi-Test. ondala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

42 Kanti no-Davide yena ngokwakê utî encwadini yen-Dumiso:
Yatî i-Nkosi e-Nkosini yam,
Hlala ngasekunene kwam,
43 Ndide intshaba zakô ndizenze isi-tulo senyawo zakô: in-Dum. 110, 1.
44 U-Davide ngoko umbiza ngokuba-Nkosi, az' abe-ke ngunyana wakê nganina?

45 Kekaloku, bakubon' ukuba bayeva bonke abantu, watî kubafundi bakê,
46 Balumkeleni ababâli, abatândayo ukuhambâ ngengubo ezinde, batânde imibuliso ezindaweni zembûtô, nezihlalo zobukûlu ezindlwini zesikûngu, nezilili zobukûlu ezidlweni;
47 Abadla indlu zabahlolokazi, baze ngokunyŵalaza batândaze uzungu. Abo baya kwamkela ugwebo olugqitisileyo.

21 Kekaloku, akubêka wazibona izityebi, zipôsa iminikelo yazo emkumbîni wokulondoloza imali.
2 Wabona-ke mhlolokazi utîle ulihlwempu epôsa apô imalanana ezimbîni.
3 Wati, Inyaniso nditî kuni, Lomhlolokazi usweleyo upôse ngapêzu kwabo bonke;
4 Kuba bonke aba bapôse eminikelweni ka-Tixo, betâbatâ kwintabalala yabo; ukanti lo ekusweleni kwakê upôse yonke impilo abe nayo.

5 Kekaloku, kwakubon' ukuba abatîle bayatêtâ ngayo i-tempile, ukuba ihonjisiwe ngamatye amahle nangeminikelo, wati,
6 Ezizinto nizibona-nje, kuya kufika imihla, ekungayi kusala litye pêzu kwelityе, elingayi kucîtwa.
7 Bambuza-ke, besitî, Mfundisi, ziya kubakô ninina-ke ezizinto? uya kuba yinto-nina nomqondiso xa ngaba ezizinto ziza kubakô?
8 Watî-ke yena, Lumkani ningalahlekiswa; kuba baninzi abaya kuza ngegama lam, besiti, Banguye *u-Kristu;* ewe, ixesha lisondele; ngoko musan' ukubalandela.
9 Xa nitê neva imfazwe nezipîtîpîtî, musan' ukunkwantya; kuba ezozinto zimele ukutî zihle kuqala; sona-ke isipêlo asiyi kuba kwa oko.
10 Wandula watî kubo, Uhlanga luya kuvukelana nohlanga, nobukumkani buvukelane nobukumkani.
11 Kuya kubakô inyikima zomhlaba ezinkulu kwindawo ngendawo, nendlala nendyikitya yokufa; kuya kubakô izinto ezoyikekayo, kwa nemiqondiso emikûlu evela ezulwini.
12 Ngapâmbîli-ke kwazo zonke ezozinto baya kunisa izandla, banitshutshise, beninikela ezindlwini zesikûngu nasezintolongweni, nisiwe pâmbî kokumkani nefuluneli ngenxa yegama lam.
13 Oko-ke kuya kutî kube bunqîna kuni.
14 Kumiseni ngoko ezintliziyweni zenu, ukuba ningakucingi ngapâmbîli ukuzipêndulela.
15 Kuba mna ndiya kuninika umlomo nobulumko, abangayi kuba nakô ukubupîkisa nokumelana nabo, bonke abanicâsileyo.
16 Kekaloku niya kunikelwa nangabazali, nangabazalwana, nayimizalwane, nazizihlobo, kubekô nababababulalayo kuni;
17 Nitîywe ngabantu bonke ngenxa yegama lam.
18 Akusayi kutshabalala nonwele-olu entloko yenu.
19 Ekunyamezeleni kwenu noyizuza imipêfumlo yenu.

20 Xa nitê nayîbona i-Yerusalem ifaulwe yimikôsi, yazini oko ukuba kusondele ukupânza kwayo.
21 Ngeloxa mabatî abakwelakwa-Yuda basabele ezintabeni, nabo bapâkatî kwayo mabapûme bemke, nabo basemapândleni mabangangeni kuyo.
22 Ngokuba yimihla yempindezelo-leyo, ukuze kuzaliseke konke okubâliweyo.
23 Yeha-ke, abamitîyo nabanyisayo ngalomihla; kuba kuya kubakô ingxakeko enkulu pêzu kwawo umhlaba nengqumbô kwababantu;
24 Bawe ngohlangoti lwerele, batînjwe basiwe kuzo zonke intlanga, ne-Yerusalem inyatêlelwe pântsi zin-Tlanga, ade azaliseke amaxesha en-Tlanga.
25 Kuya kubakô imiqondiso elangeni nasenyangeni nasezinkwenkwezini; nasemhlabeni kubekô ukuxinezeleka kwentlanga, zitîngaza; lugquma ulwandle namaza.
26 Abantu besifa kukoyika nakulindela

Digitized by Google

izinto ezilizelayo elimiweyo; kuba amandla amazulu aya kuzanyazanyiswa.
27 Bandule-ke ukumbona u-Nyana womntu, esiza ngelifu enamandla nobuqaqauli obukulu.
28 Kekaloku, zakubon' ukuba ezizinto ziyaqala ukuhla, sukani nime, nizipakamise intloko zenu, ngenxa yokuba iyasondela inkululeko yenu.

29 Watetâ umzekeliso kubo, *wati*, Wukangeleni umkiwane nemiti yonke;
30 Xa iselitê yavelisa amagqabi, niyabona nazi ngokwenu ukuba ihlobo selikufupi.
31 Kwa ngokunjalo nani, xa nitê nazibona ezizinto zisihla, yazini ukuba bukufupi ubukumkani buka-Tixo.
32 Inene nditi kuni, Asiyi kukê sidlule esisizukulwana, zide zihle zonke ezizinto.
33 Liya kudlula izulu nomhlaba; ke wona amazwi am akasayi kudlula.

34 Zilumkeleni-ke, hleze zisindwe intliziyo zenu kuzinxâla nakunxila nangamaxâla obubomi, ize lomini inifikele ngebâqo.
35 Kuba iya kubazela njengomgibe bonke abahleliyo pezu komhlaba wonke.
36 Pâpâni ngoko amaxesha onke nikunga, ukuze kutiwe nikufanele ukuzisaba zonke ezozinto ziza kuhla, nokumiswa pâmbi ko-Nyana womntu.

37 Kekaloku emini ebefundisa e-tempileni; ati ngobusuku apume aye kulala entabeni ekutiwa yeyemi-Nquma.
38 Bonke-ke abantu bebesiza kuye kwakusasa e-tempileni, ukuba beve ukutetâ kwakê.

22 Kekaloku wawusondela umtendeleko *wezonka* ezinge nagwele ekutiwa yi-Pasika.
2 Baye ababingeleli[1] abakulu nababâli befuna ukuba bangati-nina ukumbulala, kuba bebesoyika abantu.

3 Wangena-ke u-Satana ku-Yuda, ogama limbi lingu-Sikariyoti, ongowenani labalishumi elinababini.
4 Wemka waya, watetâ nababingeleli[1] abakulu nabapati *be-tempile*, ukuba angati-nina ukumnikela kubo.

5 Bavuya, banqopisana naye ukumnika imali.
6 Wabavumela, wamana efuna itûba elimlungeleyo lokumnikela kubo kungabangakô sipendu.

7 Wafika-ke umhla wezonka ezinge nagwele, ekwakumele ukuti ngawo kubingwe *imvana* ye-pasika.
8 Wesusa u-Petros no-Yohane, wati, Hambâni niye kusilungisela i-pasika, ukuze sidle.
9 Batê-ke bona kuye, Ufuna ukuba siyilungise pina?
10 Utê-ke yena kubo, Yabonani, nakungena kuwo umzi-lo nohlangatyezwa ngumntu etwele umpanda wamanzi; mlandeleni niye endlwini angena kuyo.
11 Noti kumnjni-ndlu, Uti umfundisi kuwe, Lipina igumbi labahambi, apo ndingadlela kona i-pasika nabafundi bam?
12 Kwa yena wonibonisa igumbi elipezulu elikulu landlelwe, lungisani apo-ke.
13 Bemka-ke bafumana kunjengoko ebetshilo kubo, bayilungisa i-pasika.

14 Utê-ke lakufika ilixa wahlala pantsi naba-postile abalishumi elinababini kunye naye.
15 Wati kubo, Asikukô nokuba ndinqwenile ukuyidla nani le-pasika ndingekabava ubunzima.
16 Kuba nditi kuni, Andikubuye ndiyisadla kuyo, ide izaliseke ebukumkanini buka-Tixo.
17 Wamkela indebe, wabulela, wati, Yitabatêni nabelane ngayo.
18 Kuba nditi kuni, Andisayi kusela kwisiqâmo som-diliya, bude bufike ubukumkani buka-Tixo.
19 Watâbatâ isonka, wati akubulela waqêkeza, wabanika, esiti, Ngumzimbâ wam lo, onikelwa ngenxa yenu; oku kwenzeleni ukundikumbula.
20 Kwa ngokunjalo nayo indebe waritâbatâ kwakukov' ukudliwa, esiti, Lendebe ingumnqopiso omtsha osegazini lam elipalalela nina.
21 Kodwa niyabona, isandla sondinikelayo sinam e-tafileni apâ.
22 U-Nyana womntu okunene uyemka,

[1] Abenzeteleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

njengoko kumisiweyo; kodwa-ke yeha lomntu anikelwa nguye!

23 Baqala bona ukubuzana pakati kwabo, ukuba ingaba-ke nguwupina kubo oza kuyenza lento.

24 Kekaloku kwabako nokubangisana pakati kwabo, kokuti nguwupina kubo ekungatiwa ngomkulu.

25 Uté-ke yena kubo, Okumkani ben-Tlanga bayazigagamela; kwa nabo benza ngegunya kuzo kutiwa ngabancedi.

26 Ke nina zeningabi njalo; omkulu kuni makabe njengomnci; nongumpati makabe njengomlungiseleli.

27 Kuba nguwupina omkulu, ngulowo uhleli esitebeni, ngulowo ulungiselelayo kusinina? asingulowo uhleli esitebeni-na? ke mna pakati kwenu ndinjengomlungiseleli.

28 Nina-ke ningabo basoloko behleli nam ekulingweni kwam.

29 Nam ndinimisela ubukumkani, njengokuba u-Bawo endimisele mna,

30 Ukuze nidle nisele esitebeni sam ebukumkanini bam, nihlale ezi-troneni, nigweba izizwe ezilishumi elinazibini zakwa-Sirayeli.

31 Até-ke i-Nkosi, Simon, Simon, uyabona, u-Satana ubenibanga, ukuba anele njengenqolowa.

32 Ke mna ndikungile ngawe, ukuba ukolo lwako lungapéli; nawe-ke xa ubuye wabuya, uz' ubazimase abazalwana bako.

33 Wati-ke yena kuyo, Nkosi, sendikulungele ukuya nawe nasentolongweni nasekufeni.

34 Até-ke yona, Nditi kuwe, Petros, ayisayi kulila namhla-nje inkuku, ungekakanyeli katatu ukuba uyandazi.

35 Yati kubo, Okuya ndanituma ninge nanxowa yamali nanxowa yampako, nazimbadada, konaswela nto-na? Bati-ke bona, Nento le.

36 Até-ke kubo, Kungoku-nje lowo unenxowa yemali makayitabate, enje njalo nonenxowa yompako; nalowo usweleyo makatengise ngengubo yake, atenge irele.

37 Kuba nditi kuni, Oku kubaliweyo kusamele ukufezeka kum, koma oku: Wabalwa nabacasi-mtetu; kuba kananjalo izinto ezingam zinemfezeko.

38 Bati-ke bona, Nkosi, uyabona, nanga amarele emabini. Até-ke yona kubo, Kwanele.

39 Upumile-ke waya ngokwesiko lake entabeni yemi-Nquma, bamlandela-ke nabafundi bake.

40 Efikile-ke kulondawo, wati kubo, Tandazani ningangeni ekuhendweni.

41 Waziqiwula yena kubo umgama ongangokugibisela ilitye, waguqa ngamadolo watandaza,

42 Esiti, Bawo, ukuba uyavuma, mayidlule lendebe kum; kodwa makungabi kutanda kwam, makube kokwako okwenzekayo.

43 Kwabonakala-ke kuye isitunywa sivela ezulwini, simomeleza.

44 Até-ke eneminzunzu, kwabakukona atandaza enyamekile, kwati-ke ukubila kwake kwanga kungamatontsi amakulu egazi esiwa emhlabeni.

45 Wavuka ekutandazeni, weza kubafundi bake, wabafumana belele ngokuba buhlungu *kwentliziyo*.

46 Wati kubo, Yinina ukuba nilale? Vukani nitandaze, ukuze ningangeni ekuhendweni.

47 Kekaloku, akubon' ukuba usatéta, kwati-gqi indimbane, waye nalowo kutiwa ngu-Yuda, omnye weshumi elinababini, ehamba pambi kwabo, wasondela ku-Yesu eza kumanga.

48 Até-ke u-Yesu kuye, Yuda, umnikela u-Nyana womntu ngokumanga-na?

49 Kekaloku abo bebempahlile, bakukubona okuza kuhla, bati kuye, Nkosi, sixabele-na ngerele?

50 Omnye kubo abo wamxabela umkonzi wombingeleli[1] omkulu, wamnqamla indlebe yokunene.

51 Wapendula-ke u-Yesu wati, Yekani, kwanele. Wayicukumisa indlebe yake, wampilisa.

52 Até-ke u-Yesu kwabo bebemfikele, ababingeleli abakulu nabapati be-tempile, namadoda amakulu, Nipume ninamarele nentonga-na, nanga nize esihangeni?

53 Bendinani imihla ngemihla e-tempileni, anolula zandla ngakum; kambe eli lilixa lenu negunya lobumnyama.

54 Bambambile-ke bamfola, bamsa endlwini yombingeleli[1] omkulu; waye-ke u-Petros elandela ekude.

55 Kekaloku, bakubon'ukuba babase n-

[1] Umenzelelili kwi-Test. endala, ngokumye um-priste.

Digitized by Google

mlilo pâkatî kwentendelezo, behleli pântsi ndawo-nye, utê wahlala u-Petros pâkatî kwabo.

56 Ke umkônzazana otîle umbonile ehleli ngasebandezini, wamjonga watî, Naló ube naye.

57 Wamkânyela-ke yena, esitî, Nkazanandini, andimazi.

58 Kwakuba mzuzwana, omnye wambona watî, Nawe ungowabo. Watî-ke u-Petros, Mntundini, andinguye.

59 Kwakuba kuhambê ilixa ngatî linye, omnye uqinisele watî, Inyaniso naló ube naye; kuba ukwangowase-Galili.

60 Utê-ke u-Petros, Mntundini, andiyazi into oyitêtâyo. Kutê kwa ngoko esatêtâ, yalila inkuku.

61 Yajika i-Nkosi, yondela ku-Petros. Walikûmbûla-ke u-Petros ilizwi le-Nkosi, njengoko ibitê kuye, Ingekalili inkuku, uya kundikânyela katâtû.

62 Waza u-Petros epûme pândle, walila ngokuřaŕa.

63 Aye amadoda ambambîleyo u-Yesu edlala ngaye, emtyakatya.

64 Atê akuba emgqubutêle ambetâ ebusweni, ambuza, esitî, Profeta; ngubanina lo ukubetîleyo?

65 Ayemtêtêla nezinye izinto ezininzi, enyelisa.

66 Kutê kwakusa yahlanganisana intlanganiso yamadoda amakûlu abantu, nababingeleli [1] abakûlu kwa nababâli, bamfolela entlangenisweni yabo yamatyala, besitî.

67 Ukuba unguye u-Kristu wena, sixelele. Utê-ke yena kubo, Ukuba nditê ndanixelela, anisayi kukôlwa;

68 Nokuba-ke nditê ndanibuza, anisayi kundipêndula, anisayi kundikûlula.

69 Etâbatêla kwelixa u-Nyana womntu uya kub' ehleli ekunene kwamandla ka-Tixo.

70 Batî-ke bonke, Unguye-na-ke wena u-Nyana ka-Tixo? Utê-ke yena kubo, Nani nitî ndinguye.

71 Batî-ke bona, Sisabufunela-nina ubunqîna, kuba tîna ngokwetû sivile ngomlomo wakê.

23 Yesuka yonke inkitâ yabo, yamfolela ku-Pilato.

2 Baqala-ke ukummangalela, besitî, Simfumene lo elulahlekisa uhlanga, engavumi ukuba kunikelwe i-řafu ku-Kesare, esitî, Ungu-Kristu ukumkani yena ngokwakê.

3 U-Pilato wambuza-ke, esitî, Unguyena u-Kumkani wama-Yuda? Umpêndule-ke yena watî, Nawe utsho.

4 Utê-ke u-Pilato kubabingeleli [1] abakûlu nakwindimbâne, Andifumani tyala kulomntu.

5 Kwaba kukôna-ke bajokisayo besitî, Uxôkonxa abantu, efundisa kulo lonke elakwa-Yuda eqalele kwelase-Galili, wada wezisa apâ.

6 Kekaloku u-Pilato akuva elase-Galili, wabuza ukuba umntu lo ngowase-Galilina?

7 Watî, akuqonda ukuba ngowasebukôsini buka-Herode, wamtûmela ku-Herode obe se-Yerusalem naye ngalomihla.

8 Kekaloku u-Herode, akumbona u-Yesu, wavuya kunene; kuba bekumzuzu etânda ukumbona, ngenxa yokuba ebeve kutêtwa izinto ezininzi ngaye; kanjalo wayetêmbê ukubona umqondiso usenziwa nguye.

9 Wayembuza-ke amazwi amaninzi; ke yena akampêndulanga nento.

10 Bema-ke ababingeleli [1] abakûlu nababâli, bemmangalela kabukâli.

11 U-Herode-ke kwa nempi yakê wamenza into enge nto, wadlala ngaye, wamtî-wambû ngengubo eqaqambîleyo, wamtûmela ku-Pilato.

12 Ngalomini baba zihlobo-ke u-Pilato no-Herode; kuba ngenx' engapâmbîli bebe nobutshaba pâkatî kwabo.

13 Kekaloku u-Pilato, ebabizele ndawonye ababingeleli [1] abakûlu nabapâtî *bama-Yuda* nabantu,

14 Watî kubo, Nizise kum lomntu, ngatî ngopâmbûkisa abantu; niyabona-ke, ndimncînile mna emehlweni enu, andafumana tyala kulomntu kwezonto nimmangalele ngazo;

15 Kwa no-Herode; kuba ndanitûmela kuye, nanku-ke kungekô nto ifanelwe kukufa yenziwe nguye.

16 Ndotî kengoko ndakumbetâ ndimkûlule.

17 Kekaloku ubemelwe kukutî abakûlu-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

lele *umbanjwa* abe mnye imitêndeleko ngemitêndeleko.

18 Banqangaza-ke ngokupêla kwabo, besitî, Msuse lo, usikûlulele u-Barabas,

19 Owayetê ngenxa yesaqunge esitîle esibe senziwe pâkatî komzi, kwa nokubulala, wapôswa entolongweni.

20 Wapînda ngoko u-Pilato watêtâ nabo efuna ukumkûlula u-Yesu.

21 Ke bona bamana benqangaza, besitî, Betêla emnqamlezweni; mbetêle emnqamlezweni.

22 Utê-ke yena okwesitâtû kubo, Kuba enze bubi bunina lo? Andifumananga tyala lakufa kuye; ndotî ngoko ndakumbetâ ndimkûlule.

23 Bamxina-ke bona ngezandi ezikûlu *zamazwi*, becela ukuba abetêlwe emnqamlezweni; aza-ke eyisa amazwi abo nawababingeleli [1] abakûlu.

24 Usuke-ke u-Pilato wagweba ngelitî, masenziwe isicelo sabo.

25 Wabakûlulela-ke owayetê ngenxa yesaqunge nokubulala wapôswa entolongweni, lowo babecela yena; wamnikela ekutândeni kwabo u-Yesu.

26 Kute-ke xa bamfolayo, babambâ Simon utîle, wase-Kirene, obevela emapândleni; bawubeka pêzu kwakê umnqamlezo, ukuba awutwale emva ko-Yesu.

27 Wayelandelwa-ke yinkitâ eninzi yabantu, neyabafazi ababembâmbâzelela bemlilela.

28 Wabaguqukela-ke u-Yesu, watî, Zintombî zase-Yerusalem, musan' ukundililela mna; kanye zilileleni nina, nabantwana benu;

29 Ngokuba, yabonani, kuza imihla, abaya kutî ngayo, Banoyolo abazindlolo, nezizalo ezingazalanga, namabele anganyisanga.

30 Oko baya kuqala batî ezintabeni, Siweleni; nasezindulini, Sigubungeleni.

31 Ngokuba ukuba benza ezizinto komanzi umtî, kuya kuba njanina kowomileyo?

32 Kekaloku babefola nabanye abangabambî, bebabini, bengabenzi bobubi, beya kubulawa kunye naye.

33 Batî-ke bakufika kwindawo le kutîwa Lukakayi, bambetêla emnqamlezweni kon' apô, kwa nabenzi bobubi abo, omnye ngasekunene, nomnye ngasekôhlo.

34 Watî-ke u-Yesu, Bawo, baxolele; kuba abayazi into abayenzayo. Batî-ke, besabelana ngengubo zakê, benza amaqashiso.

35 Baye bemi abantu bebonela. Babemsinekela-ke nabapâtî *bama-Yuda* kunye nabo, besitî, Wabasindisa abanye; makazisindise, ukuba lo unguye u-Kristu umnyulwa ka-Tîxo.

36 Ayedlala ngaye-ke nama-soldati, esiza asondeze i-viniga kuye,

37 Esitî, Ukuba wena unguye u-Kumkani wama-Yuda, zisindise.

38 Kwaye-ke kubâlwe nombâlo ngapêzu kwakê ngamagama esi-Grike nesi-Roma nesi-Hebere, *kwatîwa*, LO NGUKUMKANI WAMA-YUDA.

39 Kekaloku omnye wabenzi bobubi ababexônyiwe wayemnyelisa, esitî, Ukuba wena unguye u-Kristu, zisindise, natî *usisindise*.

40 Wapêndûla-ke omnye wamkâlimela, esitî, Akumoyiki-na wena u-Tîxo, ukwakokukugwetywa-nje?

41 Tîna-ke okunene sigwetywe ngobulungisa, kuba samkela okufanele esakwenzayo; kodwa yena lo akenzanga nto ingendawo.

42 Watî ku-Yesu, Uz'undikûmbûle, Nkosi, xa utê weza usebukumkanini bakô.

43 U-Yesu watî kuye, Inene nditî kuwe, Namhla-nje uya kuba nam e-paradisi.

44 Kekaloku kwakumalunga nelixa lesitândatû, kwaza kwakô ubumnyama pêzu kwawo umhlaba upêla, kwada kwaba lilixa lesitôba.

45 Lenziwa mnyama ilanga; isikûselo sendawo eyingcwele sarazuka pâkatî.

46 Wadanduluka ngezwi elikûlu u-Yesu watî, Bawo, ndiyawunikela ezandleni zakô umoya wam; utê akuba etshilo, wapûma umpêfumlo.

47 Kekaloku umtêtêli-kûlu, akukubona okuhlileyo, wazukisa u-Tîxo, esitî, Inene lomntu ube lilungisa.

48 Zatî zonke indimbâne ezabe zibutêlene kulombonelo, zakukubona okuhlileyo, zabuya zibetâ izifuba zazo.

49 Baye-ke bonke abazana naye bemi kude, nabafazi ababelandelene naye, bevela kwelase-Galili, bezikângela ezizinto.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

50 Kwaye kukô indoda egama lingu-Yosefu engumpåkatî, indoda elungileyo, elilungisa,
51 (Yona yayingavumelananga necebo labo nesenzo sabo), yase-Arimatiya umzi wama-Yuda, eyayibulindile nayo ubukumkani buka-Tîxo;
52 Eyatî yona yeza ku-Pilato, yawucela umzimbå ka-Yesu,
53 Yawutûla, yawusongela kwi-linen entle; yawubeka encwåbeni elixôlwe etyeni, ekungazanga kulale bani kulo.
54 Lomhla wawungowokulungiselela, no-sabatå ibisondele.
55 Kekaloku nabafazi abalandelayo, abeza naye bepûma kwelase-Galili, balikångela incwåba nokubekwa komzimbå wakê.
56 Babuya-ke, balungisa ubulawu namafutå aqôliweyo.

Batî nge-sabatå bapûmla ngokomtêtô.

24 Kekaloku ngolokuqala usuku lweveki, ngesifingo sokusa, beza encwabeni, bepêtê ubulawu ababebulungisile, kukô nabanye *abafazi* nabo.
2 Balifumana-ke ilitye liqengqiwe lesuka encwabeni.
3 Bakuba bengenile, abawufumananga umzimbå we-Nkosi u-Yesu.
4 Kwatî, ekukôhlweni kwabo yilento, kwabonakala amadoda amabini, ebafikela enengubo ezibengezelayo.
5 Kekaloku, bakubon' ukuba bangenelwe kukoyika, beqondele emhlabeni, atî kubo, Yinna ukuba opîlileyo nimfune påkatî kwabafileyo.
6 Akakô apå, uvukile; kûmbûlani ukutêtå kwakê kuni oko ebe sekwelase-Galili,
7 Esitî, U-Nyana womntu umelwe kukutî anikelwe ezandleni zabantu abangaboni, abetêlwe emnqamlezweni, atî ngomhla wesitåtû abuye avuke.
8 Bawakûmbûla-ke amazwi akê;
9 Bebuyile encwabeni bazibika zonke ezozinto kwabalishumi elinamnye, nakubo bonke abanye.
10 Baye-ke bengo-Mariya wase-Magadala, no-Yohana, no-Mariya ka-Yakobi; nabanye ababe nabo, abazixelayo ezonto kuba-postile.
11 Amazwi abo abonakala emehlweni abo ngatî akulavuza; abakôlwa ngabo.
12 Esukile-ke u-Petros wagidima waya encwabeni; atî eqondele azibone i-linen abesongelwe kuzo, zilele zodwa; wagoduka, emangalisiwe koko kuhlileyo.

13 Kwabonakala kusiya babini bakubo kwa ngalomini kumzana ozi-tadiya[1] zimashumi matåndatû umgama wawo ne-Yerusalem, ogama liyi-Emawusi.
14 Baye bona bexoxa bodwa ngazo zonke izinto ezibe zihlile.
15 Kwatî, ekuxoxeni kwabo nasekubuzaneni kwabo, u-Yesu ngokwakê wasondela wahambå nabo.
16 Kuloko amehlo abo ayebanjiwe ukuba bangamazi.
17 Watî-ke kubo, Zindawo zinina ezi nincokola ngazo, nihambå nibe nitê-matsha-matsha?
18 Upêndule-ke omnye lo ugama lingu-Kleyopa watî kuye, Umhambî e-Yerusalem apå, nguwe wedwa-na ukuba ungazazi-nje izinto ezihle kôna ngazo ezimini?
19 Watî kubo, Zipîna? Batî-ke bona kuye, Ezingo-Yesu wase-Nazarete, obe yindoda engum-profeti, enobunkunqele ekwenzeni nasekutêtêni, påmbî ko-Tixo nabo bonke abantu;
20 Ukuba batî-nina ababingeleli[2] abakûlu nabapåtî betû ukumnikela ukuba agwetywe afe, bambetêla nasemnqamlezweni.
21 Kekaloku tîna besitêmbê, ukuba nguye oza kukûlula u-Sirayeli ngentlaulelo; kunjalo-nje-ke, namhla lusuku lwesitåtû zenzekile ezozinto.
22 Kananjalo abafazi abatîle betû, ababe sencwabeni kwakusasa babetê satî-nqa.
23 Batê bengawufumani umzimbå wakê, beza, besitî, Babone nombono wezitûnywa zezulu, ezitî zona, Uhleli.
24 Basuka nabatîle ababenatî, baya encwabeni, bafika kunjengoko bebetshilo abafazi; ke yena abambonanga.
25 Waza yena watî kubo, Oyi! basweli kuqonda, bantliziyo zikuncwabusheleyo ukukôlwa kuko konke abakutêtåyo abaprofeti.
26 U-Kristu ubengamelwe-na kukutî abuye obubunzima, aze angene eluzukweni lwakê?
27 Uqalele-ke ku-Moses nakubo bonke

[1] Isi-tadiya singunagama ezingawe ezingamakûlu matåndatû enamanci asitôba anesitôba.
[2] Abonzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba priste.

Digitized by Google

aba-profeti, wabacâzela kuzo zonke izibâlo indawo ezingaye.
28 Basondela kulomzana babesiya kuwo; wanga yena uyegqita.
29 Besuka bamzama, besitî, Hlala natî; ngokuba kuza kuhlwa, nemini seyisangene. Wangena ukuba ahlale nabo.
30 Kwatî, ekunqênqêni kwakê ngasesitêbeni ndawonye nabo, wasitâbatâ isonka, wasikelela, waqêkeza, wabanika.
31 Avulwa-ke amehlo abo, bamazi; watî-shwaka yena kubo.
32 Batshono ukutî, Intliziyo yetû ibingavutî-na ngapâkatî kwetû, xa ebetêtâ natî endleleni, naxa ebesityilela izibâlo?
33 Besuka kwa ngelolixa, babuyela e-Yerusalem, babafumana abalishumi elinanmnye bequkene ndawonye nabo babe nabo,
34 Besitî, I-Nkosi inene ivukile, yabonakala ku-Simon.
35 Baye nabo bezicâncisa izinto zendlela, nokwazeka kwayo kubo ekuqêkezeni isonka.

36 Kekaloku bakubon' ukuba bayazitêtâ ezonto, u-Yesu ngokwakê wema pâkatî kwabo, watî kubo, Uxolo malube nani.
37 Besuka-ke bankwantya, bangenelwa kukoyika, beba babone umshologu.
38 Watî kubo, Yinina ukuba nikâtâzeke? kunganina-ke ukuba kunyuke izicamango ezintliziyweni zenu?
39 Kângelani izandla zam nenyawo zam, ngokuba ndim kanye; ndicofeni nikângele; ngokuba umshologu awunanyama namatâmbô, njengokuba nindibona ndinawo mna.
40 Utshilo wababonisa izandla nenyawo *zakê*.
41 Kekaloku, bakubon' ukuba abakakôlwa ngenxa yovuyo, bemangalisiwe, watî kubo, Ninanto-na idliwayo apâ?
42 Bamnika-ke intwana yentlanzi eyosiweyo neyenqatâ lobusi;
43 Watâbatâ, wadla emhlweni abo.

44 Utê-ke kubo, Ngawo la amazwi endawatêtâyo kuni ndisenani, okokuba zimelwe kuzaliseka zonke izinto ezibâliweyo ngam emtêtweni ka-Moses, nasebaprofetini, nasezin-Dumisweni.
45 Wandula wayivula ingqiqo yabo, ukuze baziqonde izibâlo;
46 Watî kubo, Kubâliwe ngokunjalo, umelwe ngokunjalo u-Kristu kukutî eve ubunzima, abuye avuke kwabafileyo ngomhla wesitâtû;
47 Nokuba kuvakaliswe ngegama lakê inguquko noxolelo lwezono kuzo zonke intlanga, kuqalelwa e-Yerusalem.
48 Nina-ke ningamanqîna ezizinto.
49 Yabonani, mna ndilitûmela kuni idinga lika-Bawo; ke nina hlalani kuwo umzi oyi-Yerusalem, nide nambâtîswe amandla apûma enyangweni.

50 Kekaloku wabafolela ngapândle kwada kwaya e-Betani; wazipâkamisa izandla zakê, wabasikelela.
51 Kwatî, ekubasikeleleni kwakê, wahluka kubo, wenyuswa wasiwa ezulwini.
52 Baza bona bakuba bequbudile kuye, babuyela e-Yerusalem benovuyo olukûlu.
53 Bamana behleli e-tempileni, bedumisa, bebonga u-Tixo. Amen.

I-VANGELI

NGOKUBÂLWE

NGU-YOHANE.

ISIQENDU I.

1 EKUQALEKENI ubekô u-Lizwi, wa ye u-Lizwi ekuye u-Tixo, waye u-Lizwi engu-Tixo.
2 Yena lowo ebekô ekuqalekeni ku-Tixo.
3 Into zonke zabakô ngaye; engekô yena akubangakô nanye into etê yabakô.
4 Kuye kwakukô ubomi, baye ubomi-obo bulukânyiselo lwabantu.

Digitized by Google

5 Ukânyiso-ke olo lwabonakala ebumnyameni, basuka ubumnyama abaluqiqa.
6 Kwabakô mntu utûnyiweyo evela ku-Tixo, ugama lalingu-Yohane.
7 Lowo weza kuba linqîna, ukuze anqîne ngalo ukânyiso, ukuze bonke bakôlwe ngaye.
8 Yena lowo ubenge lulo ukânyiso; weza kunqîna ngalo ukânyiso.
9 Waye-ke yena olukânyiso oluyinyaniso, olubakânyiselayo abantu bonke, esiza ehlabatîni.
10 Ube sehlabatîni-ke; ihlabatî labakô ngaye; ihlabatî alimazanga.
11 Weza kokwakê, baza abakê abamvuma.
12 Ke bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana baka-Tixo, abo-ke bakôlwayo kwigama lakê;
13 Abangazalwanga ngagazi nangakutânda kwanyama, nangakutânda kwandoda, bazalwa ngu-Tixo.
14 U-Lizwi waba yinyama, wahlala pâkatî kwetû, sabubona ubuqaqauli bakê, ubuqaqauli kanye bowokupêla kwamzeleyo u-Yise, ezele lubabalo nayinyaniso.
15 Utî u-Yohane anqîne ngaye, adanduluke esitî, Ube nguye ló benditêtâ yena, *ndisitî*, Lowo uzayo emva kwam, usuke waba pâmbî kwam; ngokuba waye tanci kum.
16 Enzalisekweni yakê tîna sonke samkela kwa ubabalo pêzu kobabalo.
17 Ngokuba umtêtô wawiswa ngo-Moses, lwabakô lona ubabalo nenyaniso ngo-Yesu Kristu.
18 Akukô namnye wakâ wambona u-Tixo; unyana okupêla kwamzeleyo, lowo usesifubeni sika-Yise, nguye ocacise oko.

19 Nabu-ke ubunqîna buka-Yohane, oko ama-Yuda atûma ababingeleli [1] naba-Levi, bepûma e-Yerusalem, ukuze bambuze besitî, Wena ungubanina?
20 Wavuma akakânyela, wavuma esitî, Andinguye mna u-Kristu.[2]
21 Bambuza, *besitî*, Unto-nina-ke? ungu-Eliya-na? Atî, Andinguye. Unguye-na um-profeti-lowo? Watî ukupêndula, Hayi.
22 Batî ngoko kuye, Ungubanina-ke? ukuze sibapêndule abo basitûmileyo; utînina wena ngawe ngokwakô?
23 Watî, Mna ndililizwi lodandulukayo entlango lisitî, Yityenenezeni indlela ye-Nkosi njengoko watshoyo u-Yesaya umprofeti.
24 Baye abo babetûnyiwe bengabakubo aba-Farisi.
25 Bambuza, batî kuye, Ubâptizela-nina pôfu ukuba wena akunguye u-Kristu,[1] no-Eliya, nom-profeti-lowo?
26 Wabapêndula u-Yohane, esitî, Mna ndibâptiza ngamanzi; ke pâkatî kwenu kumi eningamaziyo nina.
27 Yena ngotê, esiza emva kwam-nje, wesuka waba pâmbî kwam, endingafanelekileyo mna ukuba ndinyobulule umtya wembâdada yakê.
28 Ezizinto zenzeka e-Betabara pêsheya kwe-Yordan, apô u-Yohane wayebâptiza kôna.
29 Ngengomso u-Yohane, umbona u-Yesu esiza kuye, atî, Nantso imvana ka-Tixo etwala isuse isono sehlabatî!
30 Nguye lo ndatî ngaye mna, Emva kwam kuza indoda, esuke yaba pâmbî kwam; ngokuba yayitanci kum.
31 Bendingayazi nam; lento ndeza mna, ndibâptiza ngamanzi kukuze ibonakalaliswe ku-Sirayeli.
32 Wanqîna u-Yohane, esitî, Ndimbonile u-Moya esihla njengehobe epûma ezulwini, wahlala pêzu kwakê.
33 Bendingamazi nam; owanditûmayo ukubâptiza ngamanzi, nguye owatî kum, Otê wambona u-Moya esihla ahlale pêzu kwakê, nguye lowo ubâptiza ngo-Moya Oyingcwele.
34 Nam ndibonile ndinqînile, ukuba lo nguye unyana ka-Tîxo.
35 Ngengomso ubuye wema u-Yohane nababini kubafundi bakê;
36 Ondele ku-Yesu ehambâ, utî, Nantso imvana ka-Tîxo!
37 Bamva etêtâ abafundi ababini, bamlandela u-Yesu.
38 Kekaloku ujikile u-Yesu, ababone belandela, atî kubo, Nifuna nto-nina? Batî-ke bona kuye, Rabî (oko kukuti ngentetô evakalayo Mfundisi), uhlala pîna?
39 Atî kubo, Yizani nibone. Beza, babona-ke apô ahlala kôna; bahlala naye lomini; laye-ke ilixa lingatî leleshumi.
40 Yayingu-Andreya umzalwana ka-Simon Petros, omnye wabo babini babeve ku-Yohane, bamlandela.

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.
[2] Um-Tânjiswa, ngokunye u-Mesiya.

[1] Um-Tânjiswa, ngokunye u-Mesiya.

Digitized by Google

41 Yena ufumana kuqala owakê umzalwana u-Simon, atî kuye, Simfumene u-Mesiya (oko kukutî ngentêto evakalayo u-Kristu).

42 Wamsa ku-Yesu; utê-ke u-Yesu wondela kuye, watî, Wena ungu-Simon unyana ka-Yona, kuya kutîwa ungu-Kefas,[1] (oko kukutî ngentetô evakalayo ungu-Petros).

43 Ngengomso u-Yesu wafuna ukupûma aye kwelase-Galili; ufumana u-Filipu, atî kuye, Ndilandele.

44 Kekaloku u-Filipu ebe ngowase-Betesayida womzi wakulo-Andreya no-Petros.

45 U-Filipu ufumana u-Nataniyeli, atî kuye, Lowo u-Moses wabâla ngaye emtêtŵeni kwa naba-profeti, simfumene, u-Yesu unyana ka-Yosefu, lowo wase-Nazarete.

46 Watî u-Nataniyeli kuye, Inakô-na into elungileyo ukupûma e-Nazarete? Atî u-Filipu kuye, Yiza ubone.

47 U-Yesu wambona u-Nataniyeli esiza kuye, atî ngaye, Nanko, u-Sirayeli inyaniso, ekungekô nkohliso kuye.

48 Atî u-Nataniyeli kuye, Undazi nganina? Wapêndula u-Yesu watî kuye, Pâmbî kokuba u-Filipu akubize, upântsi komkîwane, ndandikubona.

49 Apêndule u-Nataniyeli atî kuye, Rabî, wena unguye u-Nyana ka-Tîxo, wena unguye u-Kumkani ka-Sirayeli.

50 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Ngokuba ndithê kuwe, Ndandikubona upântsi komkîwane, uyakôlwa-na? uya kubona izinto ezingapêzulu kwezo.

51 Atî kuye, Inene, inene ndithî kuni, Emveni koku niya kulibona izulu livulekile, nezitûnywa zika-Tîxo zinyuka zisihla pêzu ko-Nyana womntu.

2 Kutê ngomhla wesitâtû, kwabakô umsitô e-Kana yelase-Galili; waye unina ka-Yesu ekôna.

2 Wamenyelwa-ke no-Yesu kwa nabafundi bakê emsitŵeni lowo.

3 Kutê-ke bakupêlelwa yi-wayini, watî unina ka-Yesu kuye, Abana-wayini.

4 Utî u-Yesu kuye, Yinto-nina enam nawe, mfazindini, alikafiki ilixa lam.

5 Atî unina kubalungiseleli, Asukuba ekutêtâ kuni, kwenzeni.

6 Kwakumi kôna-ke imipânda yamatye imitândatû, ngokwentlambûlulo yama-Yuda, engena ngaminye i-bate ezimbîni nantâtû.

7 Atî kubo u-Yesu, Yizaliseni imipânda ngamanzi. Bayizalisa-ke yada ye-cike.

8 Atî kubo, Yikâni ngoku, nise kwinjoli. Besa-ke.

9 Kekaloku injoli yakuweva amanzi abenziwe i-wayini, (yayingavazi apô ivela kôna; kodwa abalungiseleli ababewakîle amanzi babesazi), yasuka injoli yabiza umyeni,

10 Yatî kuye, Wonke umntu ubeka kuqala i-wayini emnandi, aze xa ŝatê basela bakôlisa andule *ukubeka* enganeno kwaleyo; wena uyibandezile i-wayini emnandi kwada kwangoku.

11 Oku kuqaleka kwemiqondiso wakwenza u-Yesu e-Kana yelase-Galili, walubonakalalisa uzuko lwakê; bakôlwa kuye abafundi bakê.

12 Emveni koko wehla waya e-Kapernahum, yena nonina, nabazalwana bakê, nabafundi bakê; bahlala kôna intsuku ezinge ninzi.

13 Yayikufupî-ke i-pasika yama-Yuda; wenyuka u-Yesu waya e-Yerusalem.

14 Wabafumana e-tempileni ababetêngisa ngenkomo nezimvu namahobe, nabananisa ngemali behleli.

15 Wenza iziniya ngemizî, wabakûpâ bonke e-tempileni, kwa nezimvu nenkomo; wayipâlaza imali yabananisi, wazibûkuqa ne-tafile;

16 Watî nakwabo batêngisa ngamahobe, Ezizinto zisuseni apâ; musani ukuyenza indlu ka-Bawo indlu yokutêngisela.

17 Bakûmbûla-ke abafundi bakê, ukuba kubâliwe *kwatîwa*, Ukuzondelela indlu yakô kundidlile kanye.

18 Apêndula-ke ngoko ama-Yuda, atî kuye, Usibonisa mqondiso mnina, uzenzanje ezizinto?

19 Wapêndula u-Yesu watî kuwo, Yicîteni le-tempile, mna-ke ndiya kuyivusa ngentsuku ezintâtû.

20 Atî-ke ngoko ama-Yuda, Yayiminyaka imashumi mane anesitândatû-nje isakîwa le-tempile, ke wena woyivusa ngentsuku ezintâtû-na?

21 Yena-ke wayetêtâ nge-tempile yomzimbâ wakê.

[1] Ngu-Liwa.

Digitized by Google

22 Kengoko xenikweni wavukayo kwabafileyo, bakûmbûla abafundi bakê, ukuba ebekutétile oku kubo; bakôlwa sibâlo nalizwi awalitétâyo u-Yesu.

23 Kekaloku, akubon' ukuba use-Yerusalem e-pasikeni, emtêndelekweni, into oninzi yakôlwa kulo igama lakê, ibona imiqondiso yakê abeyenza.

24 Ke yena u-Yesu akaziyekelanga kubo, ngenxa yokuba ebazi bonke,

25 Nangokuba bekungafuneki kuye, ukuba kunqîne bani ngaye umntu; kuba ubekwazi yena okungapâkatî komntu.

3 Kwaye kukô-ke umntu wakuba-Farisi, ogama lingu-Nikodemo, umpâtî wama-Yuda.

2 Lowo weza ku-Yesu ebusuku, watî kuye, Rabî, siyazi ukuba ungumfundisi ovela ku-Tîxo; kuba akukô namnye unakô ukuyenza lemiqondiso uyenzayo wena, ukuba u-Tîxo akanaye.

3 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Inene, inene nditî kuwe, Ukuba akatânga umntu azalwe ngokutsha, akanakububona ubukumkani buka-Tîxo.

4 Utî u-Nikodemo kuye, Angatî-nina umntu ukuzalwa emdala, angaba nakô yinina ukungena okwesibini esizalweni sonina azalwe?

5 Wapêndula u-Yesu *watî*, Inene, inene nditî kuwe, Ukuba umntu akatânga azalwe ngamanzi nangu-Moya, akanakungena ebukumkanini buka-Tîxo.

6 Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe ngu-Moya kungumoya.

7 Mus' ukumangaliswa kukuba nditê kuwe, Nimelwe kukutî nizalwe ngokutsha.

8 Umoya upêpêza apô utânda kôna, uze usive isandi sawo, kodwa ungawazi apô uvela kôna, nalapô usinga kôna: bakwanjalo bonke abazelwe ngu-Moya.

9 Wapêndula u-Nikodemo watî kuye, Zingatî-nina ezizinto ukuba nokubakô?

10 Wapêndula u-Yesu watî kuye. Wena ungumfundisi-nje wakwa-Sirayeli, akuzazi-na ezizinto?

11 Inene, inene nditî kuwe, Sitêtâ esikwaziyo, sinqîne esikubonileyo, nisuke ningabamkeli ubunqîna betû.

12 Ukuba ndinixelele izinto ezisemhlabeni, naza anakôlwa; notî-nina ukukôlwa, ukuba nditê ndanixelela izinto ezisezulwini?

13 Akukô namnye unyukileyo waya ezulwini, ngulowo yedwa wehla epûma ezulwini, u-Nyana womntu lowo usezulwini.

14 Njengokuba-ke u-Moses wayipâkamisayo inyoka entlango, umelwe kupâkanyiswa ngokunjalo u-Nyana womntu;

1-Num. 21. 9.

15 Ukuze bonke abakôlwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunapâkade.

16 Kuba wenje nje u-Tîxo ukulitânda kwakê ihlabatî, ude wancama unyana wakê okupêla kwamzeleyo, ukuze bonke abakôlwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunapâkade.

17 Kuba u-Tîxo akamtûmanga u-Nyana wakê ehlabatîni, ukuze aligwebe ihlabatî; wamtûma, ukuze ihlabatî lisindiswe ngaye.

18 Lowo ukôlwayo kuye akagwetywa: ke lowo ungakôlwayo usel' egwetyiwe, ngokuba engakôlwanga kwigama lo-Nyana okupêla kwamzeleyo u-Tîxo.

19 Kekaloku umgwebo nguwo lo ukuba ukânyiso lufikile ehlabatîni, baza abantu batânda ubumnyama ngapêzu kokânyiso; kuba imisebenzi yabo ingendawo.

20 Kuba bonke abenza okubi bayalutîya ukânyiso, bangezi elukânyisweni, ukuze imisebenzi yabo ingohlwaywa.

21 Ke lowo uyenzayo inyaniso uveza elukânyisweni, ukuze imisebenzi yakê ibonakaliswe; ngokuba isetyenzelwe ku-Tîxo.

22 Emveni kwezizinto weza u-Yesu nabafundi bakê emhlabeni wakwa-Yuda; wakê walibala kôn'apô nabo, wabâptiza.

23 Waye-ke no-Yohane ebâptiza e-Enon, kufupî ne-Salem, ngokuba amanzi ebe maninzi kôn'apô; babesiza-ke babâptizwe.

24 Kuba ebengekapôswa entolongweni u-Yohane.

25 Kwabakô-ke imbuzwano kubafundi baka-Yohane nama-Yuda ngokuhlanjululwa.

26 Beza ku-Yohane, batî kuye, Rabî, lowa waye nawe pêsheya kwe-Yordan, umnqînela, yabona, yena uyabâptiza, beza kuye-ke bonke.

27 Wapêndula u-Yohane watî, Akama-

1 Mfundisi.

Digitized by Google

kwamkela nto umntu, engayinikwanga ivela ezulwini.

28 Nani ngokwenu niyandinqîmela, ukuba ndatî, Andinguye u-Kristu mna, ndatî nditûnyiwe pâmbî kwakê.

29 Lowo unomtshakazi ngumyeni; isihlobo-ke somyeni esimiyo simve sivuya kunene ngenxa yezwi lomyeni; ngoko oluluvuyo lwam luzalisekile.

30 Yena umelwe kukutî ande, ndincipeke mna.

31 Lowo uvela pêzulu ungapêzu kwabo bonke; lowo upûma emhlabeni ungowasemhlabeni, etêtâ okwasemhlabeni. Lowo ungowasezulwini ungapêzu kwabo bonke;

32 Akubonileyo-ke wakuva, uyakunqîna oko; akukô bani ubamkelayo ubunqîna bakê.

33 Lowo ubamkeleyo ubunqîna bakê utywine waqinisela ukutî, u-Tîxo uyinyaniso;

34 Kuba lowo utûnywe ngu-Tîxo uyawatêtâ amazwi ka-Tîxo; kuba u-Tîxo akamniki u-Moya ngomlinganiselo.

35 U-Yise uyamtânda u-Nyana, uzinikele zonke izinto esandleni sakê.

36 Lowo ukôlwayo ku-Nyana unobomi obungunapâkade; ke lowo ungamviyo u-Nyana akayi kubona bomi; ingqumbô ka-Tîxo ihleli pêzu kwakê.

4 Itê ngoko i-Nkosi yakwazi, ukuba aba-Farisi bavile, ukuba u-Yesu ugqitisile ku-Yohane ngokwenza nokubâptiza abafundi;

2 (Nakubeni-ke u-Yesu ngokwakê ebengabâptizi, bekubâptiza abafundi bakê;)

3 Yalishiya yona elakwa-Yuda, yabuya yaya kwelase-Galili.

4 Ibimêlwe-ke kukutî icande kwelama-Samariya.

5 Ifike-ke emzini welama-Samariya ekutîwa yi-Sikare, kufupî nomhlaba awatî u-Yakobi wawunika u-Yosefu unyana wakê.

6 Kekaloku umtômbô ka-Yakobi ubukôna. Utê-ke ngoko u-Yesu ebulalekile kubambâ, wahlala enjalo pêzu komtômbô; ilixa ngatî belilelesitândatû.

7 Kufika intokazi yelama-Samariya isiza kukâ amanzi, atî u-Yesu kuyo, Ndipê ndisele.

8 (Kuba abafundi bakê bebemke baya kutênga ukudla emzini apô.)

9 Itî ngoko intokazi engum-Samariyakazi kuye, Utî-nina wena, ungum-Yudanje, ukucela kum into eselwayo ndingum-Samariyakazi-nje? kuba akanabudlelane ama-Yuda nama-Samariya.

10 Wapêndula u-Yesu watî kuyo, Ukuba ubusazi isipô sika-Tîxo, nokuba ngubanina lo utî kuwe, Ndipê ndisele, unge ucele kuye wena, wakupâ amanzi apîlileyo.

11 Itî intokazi kuye, Nkosi, akunanto yokukâ nequla linzulu, uwazuza pîna-ke amanzi apîlileyo lawo?

12 Wena umkûlu yinina kunobawo wetû u-Yakobi, owasinikayo iqula-eli, wayesela kulo yena nabantwana bakê nemfuyo yakê?

13 Wapêndula u-Yesu watî kuyo, Bonke abasela kulamanzi baya kubuya banxanwe;

14 Ke yena otê wasela kuwo amanzi, endiya kumpâ wona mna, akasokuze anxanwe napâkade; aya kusuka amanzi, endiya kumpâ wona, abe ngumtômbô kuye wamanzi ampompozela ebomini obungunapâkade.

15 Itî intokazi kuye, Nkosi, ndipê lomanzi, ukuze ndinganxanwa, ndingezi nokuza kukâ apâ.

16 Atî u-Yesu kuyo, Hambâ uye kubiza indoda yakô, uze apâ.

17 Yapêndula intokazi yatî, Andinandoda. Atî kuyo u-Yesu, Ulungisile ukutî andinandoda;

18 Kuba ubunamadoda amahlanu; onayo ngoku asindoda yakô, unyanisile ukutsho.

19 Itî intokazi kuye, Nkosi, ndiyabona, ukuba ungum-profeti wena.

20 Obawo betû babequbuda kulentaba; nina-ke nitî ise-Yerusalem indawo apô abantu bamele ukuqubuda kôna.

21 Atî u-Yesu kuyo, Ntokazindini, kôlwa ndim, ukuba kuza ilixà, eningasayi kutî nakulentaba, nase-Yerusalem, niqubude ku-Bawo.

22 Nina niqubuda kweningakwaziyo; tîna siqubuda kwesikwaziyo; ngokuba usindiso lupûma kuma-Yuda.

23 Kodwa kuza ilixa, nangoku selikô, xa abaqubudi abayinyaniso baya kuqubuda ku-Bawo ngo-Moya nangenyaniso; kuba u-Bawo ufuna abanjalo ukuqubuda kuye.

Digitized by Google

24 U-Tixo ungu-Moya; abo-ke baqubuda kuye bamelwe kuqubuda kuye ngo-Moya nangenyaniso.
25 Iti intokazi kuye, Ndiyazi, ukuba u-Mesiya uyeza ekutiwa ngu-Kristu[1]; xa até weza yena, uya kusityela into zonke.
26 Ati u-Yesu kuyo, Mna nditétâyo nawe ndinguye.

27 Kwati kwangoko bafika abafundi bakê, bamangaliswa kukuba atétê nomntu oyinkazana; noko-ke akubangakô namnye owati, Ufuna nto-nina? nowati, Yinina ukuba utétê nayo?
28 Yawushiya ngoko intokazi umpânda wayo, yemka yaya ekâya, iti ebantwini,
29 Yizani, nibone umntu ondixelele into zonke, endakê ndazenza; lo akangebi nguye u-Kristu[1] yinina?
30 Bapûma-ke ekâya, baye besiza kuye.
31 Kekaloku kwesositûba abafundi bemtândaza besiti, Rabi,[2] yidla.
32 Utê-ke yena kubo, Mna ndinokudla endikudlayo, eningakwaziyo nina.
33 Babetétâ bodwa ngoko abafundi besiti, Ingaba kukô omziseleyo-na ukudla?
34 Ati u-Yesu kubo, Okwam ukudla kukuba ndenze ukutânda kowanditûmayo, ndiwufeze umsebenzi wakê.
35 Anitsho-na nina ukuti, Inyanga zisene, zekufike ukuvuna? yabonani, nditi kuni, Wapâkamiseni amehlo enu, niwakângele amasimi; ngokuba asel' emhlope ukuba kuvunwe.
36 Novunayo wamkela umvuzo, abutêle iziqâmo ebomini obungunapâkade, ukuze nalowo uhlwayelayo avuye kunye nalowo uvunayo.
37 Kuba likulento ilizwi eliyinyaniso, eli liti, Omnye uyahlwayela, nomnye avune.
38 Mna ndanitûma ukuvuna oko ningabulalekanga kuko nina; abanye babulalekile, naza nangena nina ekubulalekeni kwabo.

39 Kekaloku kwakôlwa kuye into eninzi yama-Samariya kulomzi ngenxa yelizwi lentokazi-leyo yanqinayo yati, Undityele into zonke, endakê ndazenza.
40 Akufika ngoko kuye ama-Samariya, amcela ukuba ahlale nawo; wahlala kô-na-ke imihla emibini.

41 Into eninzi yakôlwa ngakumbi ngenxa yelizwi lakê.
42 Kanjalo babesiti kwintokazi-leyo, Asisakôlwa ngenxa yokutétâ kwakô; kuba sizivele tina ngokwetû, sazi ukuba lo unguye inyaniso umsindisi wehlabati, u-Kristu.

43 Kekaloku emveni kwemihla emibini leyo wapûma kôna, wemka waya kwelase-Galili.
44 Kuba u-Yesu ngokwakê wanqina, ukuba um-profeti akanambêko kowabo.
45 Xenikweni ngoko wafikayo kwelase-Galili, bamamkela abase-Galili abebezibonile zonke izinto awazenzayo e-Yerusalem emtêndelekweni; kuba babeyile nabo emtêndelekweni.

46 Wabuya ngoko weza u-Yesu e-Kana yelase-Galili, apô amanzi ebewenze i-wayini. Kwaye kukô igosa lakomkûlu elitile elinyana wayesifa e-Kapernahum.
47 Litê lakuva lona ukuba u-Yesu upûmile kwa-Yuda wafika kwelase-Galili, laya kuye, lamcela ukuba ehle ampilise unyana walo, kuba ebeza kubûbâ.
48 Wati ngoko u-Yesu kulo, Ukuba anitânga nibone imiqondiso nemimangaliso, anisokukê nikôlwe.
49 Liti kuye igosa lakomkûlu, Nkosi, yihla, engekabûbi umntwana wam.
50 Ati u-Yesu kulo, Hambâ uhambê, unyana wakô uhleli. Wakôlwa umntu lowo lilizwi awalitétâyo u-Yesu kuye, wahambâ-ke.
51 Kekaloku akubon' ukuba usel' esihla, abakônzi bakê bamhlangabeza bambikela besiti, Umntwana wakô uhleli.
52 Wabuza ngoko kubo ilixa aqale ukucâcâ ngalo; zati kuye, Izolo ngelixa lesixênxe yamyeka icesina.
53 Wazi ngoko uyise, ukuba bekukwangelolixa abetê ngalo u-Yesu kuye, Unyana wakô uhleli; wakôlwa yena nendlu yakê ipêla.
54 Lomqondiso-ke wesibini wawenza u-Yesu, eselepûmile kwelakwa-Yuda weza kwelase-Galili.

5 **Emveni kwezizinto kwaye kukô umtêndeleko wama-Yuda, wenyuka u-Yesu waya e-Yerusalem.**

2 **Kekaloku kukô e-Yerusalem apô, nga-**

[1] Um-Tânjiswa, ngokunye u-Mesiya.
[2] Mfundisi.

Digitized by Google

kwelezimvu isango, icîbi, ekutîwa ukubizwa yi-Betesda ngesi-Hebere, line-varanda ezintlanu.

3 Kwakulele kuzo inkitâ eninzi yemilwelwe: imfama, iziqwala, abome umzimbâ, belindē ukuzanyazanyiswa kwamanzi.

4 Kuba isitûnywa sezulu ngaxesha litîle besisihla, singene ecîbini, siwagxobagxobe amanzi; lowo ngoko ubetē angene tanci emva kokugxojwagxojwa kwamanzi, ubepîla nakusipîna isifo abebanjwe siso.

5 Kekaloku bekukô mntu utîle apô, obe minyaka imashumi matâtû anesibôzo engumlwelwe.

6 U-Yesu embona lowo elele, esazi ukuba usele nexesha elikûlu enjalo, utî kuye, Uyafuna-na ukuba upîle?

7 Wapêndula umlwelwe watî, Nkosi, andinamntu wokutî, xa atē agxojwagxojwa amanzi, andipôse ecîbini; kutî-ke ndakubon' ukuba mna ndiyaya, ndipângelwe ngomnye ukuhla.

8 Ati u-Yesu kuye, Vuka, utâbatē ukûko lwako, uhambē.

9 Usuke kwa oko wapîla umntu, walutâbatâ ukûko lwakē, wahambâ.

Kekaloku kwakuyi-sabatâ lomini.

10 Ayesitî-ke ama-Yuda kopîlisiweyo, Yi-sabatâ; akuvumelekile ukuba utwale ukûko lwakô.

11 Wawapêndula watî, Owandipîlisayo nguye owatî kum, Tâbatâ ukûko lwakô, uhambē.

12 Ambuza ngoko atî, Ngubanina yena lomntu utē kuwe, Tâbatâ ukûko lwakô, uhambē?

13 Kekaloku owapîliswayo ebengazi ukuba ngubanina; kuba u-Yesu watî-shwaka, kwakubon' ukuba kukô indimbâne kulondawo.

14 Emveni kwezizinto u-Yesu umfumana e-tempileni, atî kuye, Uyabona, upîlile; mus' ukuba sŏna, ukuze ungahlelwa yinto embî kunaleyo.

15 Wemka umntu lowo, waxela kuma-Yuda, ukuba ngu-Yesu omenze wapîla.

16 Ngenxa yoko ayemtshutshisa u-Yesu ama-Yuda, afuna ukumbulala; ngokuba wayesenza ezonto nge-sabatâ.

17 Wawapêndula-ke u-Yesu watî, U-Bawo uyasebenza kude kube ngoku, nam ndiyasebenza.

18 Ngenxa yoko-ke ayefuna ngakumbî ama-Yuda ukumbulala; ngokuba ubengapûle sabatâ yodwa, wayetshilo nokutî u-Tîxo ngowakē u-Yise, ezenza alingane no-Tîxo.

19 Wapêndula ngoko u-Yesu, watî kuwo,

Inene, inene nditî kuni, U-Nyana akanakwenza nto ngokwakē, engatânga abone u-Yise eyenza; kuba izinto, asukuba ezenza yena, ezo uyazenza u-Nyana kwa ngokunjalo;

20 Kuba u-Yise uyamtânda u-Nyana, ambonise into zonke azenzayo yena; uya kumbonisa nemisebenzi emikûlu kunalē, ukuze nina nimangaliswe.

21 Kuba njengoko u-Yise abavusayo abafileyo abadlise ubomi, kwa ngokunjalo no-Nyana ubadlisa ubomi abo atândayo.

22 Kuba kananjalo u-Yise akagwebi namnye, ute umgwebo wonke wawunikela ku-Nyana;

23 Ukuze bonke bambeke u-Nyana, kwa njengoko bambekayo u-Yise; lowo ungambekiyo u-Nyana akambeki u-Yise owamtûmayo.

24 Inene, inene nditî kuni, Lowo ulivayo ilizwi lam akôlwe ngulowo wanditûmayo, unobomi obungunapâkade, akezi ekugwetyweni, upûmē ekufeni, wangena ebomini.

25 Inene, inene nditî kuni, Kuza ilixa, nangoku selikô, xa abafileyo baya kuliva izwi lo-Nyana ka-Tîxo, batî abalivileyo badl' ubomi.

26 Kuba njengokuba u-Yise enabo ubomi kuye ngokwakē, ngokunjalo wamnika no-Nyana ukuba abe nobomi kuye ngokwakē.

27 Wamnika negunya lokugweba; ngokuba engu-Nyana womntu.

28 Musan' ukumangaliswa kuko oko; ngokuba kuza ilixa abaya kutî ngalo bonke abasemancwabeni balive izwi lakē;

29 Bapûme-ke: abo benza izinto ezilungileyo beze eluvukweni lobomi; naboke benza izinto ezimbî beze eluvukweni lokugwetywa.

30 Mna ngokwam andinakwenza nto; njengoko ndivayo ndigweba ngako, nomgwebo wam ububulungisa; ngokuba andifuni kutânda kwam, ndifuna ukutânda kuka-Bawo owanditûmayo.

31 Ukuba mna ndisuka ndizinqînele, ubunqîna bam abungebi yiyo inene.

Digitized by Google

32 Kukô omnye onqînayo ngam; ndiyazi-ke, ukuba buyinene ubunqîna abunqînayo ngam.
33 Nina nitûmele ku-Yohane, uyinqîne-le-ke inyaniso.
34 Mna-ke andamkeli bunqîna mntwini; ndizitêtâ ezizinto, ukuze nina nisindiswe.
35 Yena lowo ebe siso isibane esivutâyo esikânyayo; ke nina natânda ukugcoba umzuzwana elukânyweni lwakê.
36 Mna-ke ndinabo ubunqîna obungapêzu kobuka-Yohane; kuba imisebenzi awandinikayo u-Bawo ukuba ndiyifeze, yona lemisebenzi ndiyenzayo mna iyanqîna ngam, ukuba u-Bawo unditûmile.
37 No-Bawo owanditûmayo, yena unqînile ngam. Anizanga nilive izwi lakê nakanye, niyibone nembônakalo yakê.
38 Nezwi lakê aninalo lihleli kuni; ngokuba lowo utûnywe nguye, ningakôlwa nguye nina.
39 Zipêngululeni izibâlo, ngokuba nina niba ninobomi obungunapâkade kuzo; zaye zona zinqîna ngam.
40 Nibe-ke nina ningatândi ukuza kum, ukuze nibe nobomi.
41 Andamkeli luzuko bantwini.
42 Ndiyanazi nina, ukuba utândo luka-Tixo aninalo ngapâkatî kwenu.
43 Mna ndize ngegama lika-Bawo, aninda mkeli; ukuba omnye utê weza ngelilelakê igama, nomamkela yena.
44 Ningatî-nina ukuba nakô ukukôlwa, nisamkelela uzuko omnye komnye-nje nina, nibe uzuko lona oluvela ku-Tixo yedwa ningalufuni?
45 Ningabi ndiya kunimangalela ku-Bawo mna; ukô onimangalelayo, u-Moses, lowo nimtêmbîleyo nina.
46 Kuba ukuba benikôliwe ngu-Moses, ngenikôliwe ndim; kuba yena wabâla ngam.
47 Ke ukuba anikôlwa zibâlo zakê yena, ningatî-nina ukukôlwa ngawam amazwi?

6 Emveni kwezizinto wemka u-Yesu, waya pêsheya kolwandle lwase-Galili, lwase-Tiberiya.
2 Wayelandelwa-ke yindimbâne enkulu, ngokuba bebebona imiqondiso yakê, abeyenza kwababesifa.
3 Kekaloku wenyuka u-Yesu waya entabeni, wahlala pântsi kôna nabafundi bakê.
4 Yayc-ke ikufupî i-pasika, umtêndeleko wama-Yuda.
5 Ewapâkamisile ngoko u-Yesu amehlo akê, ebone indimbâne enkulu isiza kuye, watî ku-Filipu, Sozitênga pîna izonke ukuze badle aba?
6 Ubesitsho-ke emlinga; kuba ubeyazi yena into abeza kuyenza.
7 U-Filipu wampêndula *watî*, Izonka ze-denariyo ezimakûlu mabini azibanele ukuze elowo atâbatê intwana.
8 Atî kuye omnye kubafundi bakê, u-Andreya, umzalwana ka-Simon Petros.
9 Kukô nkwenkwana apâ, inezonka ezihlanu ze-fasi nentlanzi ezimbîni; kodwa ke ziyinto-nina ezo kwabangakanana?
10 Utê-ke u-Yesu, Bahlaliseni pântsi abantu. Kwaye-ke kukô utyani obuninzi kulondawo. Ahlala pântsi ngoko amadoda engatî amawaka mahlanu inani.
11 Wazitâbatâ-ke izonka u-Yesu, wa akubulela wababela abafundi, batî-ke abafundi babela abo babehleli pântsi, kwa kwanjalo nakwintlanzi ngangokutânda kwabo.
12 Bakuhluta-ke watî kubafundi bakê, Butâni amaqêkeza aseleyo, ukuze kungenakali nto.
13 Babutâ ngoko, bazalisa izitya zibe shumi elinazibini ngamaqêkeza abesele kubo ababedlile, ezonkeni ezihlanu ze-fasi.
14 Ngoko abantu-aba, bakuwubona umqondiso awawenzayo u-Yesu, batî, Inguye inyaniso um-profeti lowo uzayo ehlabatîni.
15 Utê ngoko u-Yesu, esazi ukuba bahlalele ukuza kumbâmbâ ngamandla, bemenze ukumkani, wabuya wemka, waya entabeni yena yedwa.

16 Kekaloku, kutê kwakuhlwa behla abafundi bakê, baya elwandle.
17 Bengenile ke emkômbêni, baluwela ulwandle, besiya e-Kapernahum; kwakuse kumnyama, waye u-Yesu engafikanga kubo.
18 Lwaye nolwandle lusilwa, kananjalo kuvutûza umoya omkûlu.
19 Bakuba ngoko begweqile izi-tadiya e zingatî zimashumi mabini anazihlanu bu ngokuba matâtû, bambona u-Yesu ehamba pêzu kolwandle, esiza kubo kufupî nomkômbê; basuka boyika.
20 Atî-ke yena kubo, Ndim; musan ukoyika.

Digitized by Google

21 Babetânda ngoko ukumamkelela emkônibêni; waza kwa oko umkômbe waba semhlabeni lowo babesiya kuwo.

22 Ngengomso indimbâne leyo ibimi pêsheya kolwandle, yakuba ibonile ukuba akukô mkônjana wumbî kôna, ngulowo mnye wodwa babengene kuwo abafundi bakê, nokuba u-Yesu akangenanga nabafundi bakê emkônjaneni lowo, bemke bodwa abafundi bakê;

23 Nokuba kuze eminye imikônjana ivela e-Tiberiya kufupî nendawo apô babedle isonka kôna, yakuba ibulele i-Nkosi:

24 Xeshikweni-ke indimbâne yabonayo ukuba u-Yesu akakô apô nabafundi bakê, besuka bangena nabo emikômbêni, beza e-Kapernahum, bemfuna u-Yesu.

25 Batê bakumfumana pêsheya kolwandle, batî kuyo, Rabî, ufike ninina apâ?

26 Wabapêndula u-Yesu watî, Inene, inene nditî kuni, Anindifuni ngakuba nabona imiqondiso, nindifuna ngokuba nadla kwezazonka, nahluta.

27 Musan' ukusebenzela ukudla okutshabalalayo; sebenzelani ukudla okuhlala kuse ebomini obungunapâkade, aya kunipâ kôna u-Nyana womntu; kuba u-Yise u-Tixo utywine waqinisela yena lowo.

28 Batê ngoko kuye, Masenze nto-nina, ukuze sisebenze imisebenzi ka-Tixo?

29 Wapêndula u-Yesu, watî kubo, Umsebenzi ka-Tixo nguwo lo ukuba nikôlwe kuye otûnywe nguye.

30 Batî ngoko kuye, Wenza mqondiso mnina wena, ukuze sibone sikôlwe nguwe? usebenza nto-nina?

31 Obawo betu bona badla i-mana entlango njengokuba kubâliwe *kwatîwa:* Wabanika isonka sipûma ezulwini, ukuba badle sona.

32 Utê ngoko u-Yesu kubo, Inene, inene nditî kuni, Asingu-Moses oninike isonka esipûma ezulwini; ngu-Bawo oninika isonka esipûma ezulwini esiyinyaniso.

33 Kuba isonka sika-Tixo sesi sehlayo ezulwini, silinike ubomi ihlabatî.

34 Batî-ke ngoko kuye, Nkosi, sinike esosonka ngamaxa onke.

35 Watî-ke u-Yesu kubo, Isonka sobomi-esi ndim; lowo uzayo kum, akasayi kulambâ; lowo ukôlwayo kum, akasayi kunxanwa napâkade.

36 Senditshilo kuni ukutî, Nindibonile nokundibona, anikôlwa noko.

37 Bonke andinikayo u-Bawo baya kuza kum; nozayo kum, andisayi kukê ndi mlahlele pândle;

38 Ngokuba ndihle ezulwini, ndingazukwenza ukutânda kwam, ndize kwenza ukutânda kwalowo wanditûmayo.

39 Kukô-ke oku ukutânda kowanditûmayo, kuka-Bawo, ukuba konke awandinikayo, ndingalahli nento kuko, ndikuvuse ngomhla wokugqibela.

40 Kukô-ke oku ukutânda kowanditûmayo, ukutî babe nobomi obungunapâkade bonke abambonayo u-Nyana bakôlwe kuye; ndandiya kubavusa mna ngomhla wokugqibela.

41 Ayemfofela ngoko ama-Yuda, ngokuba watî, Ndim isonka-esi sehlayo ezulwini.

42 Ayesitî-ke, Lo asinguye-na kanene u-Yesu unyana ka-Yosefu, esimaziyo tina uyise nonina? angatî-nina kengoko yena ukutî, Ndihle ezulwini?

43 Wapêndula ngoko u-Yesu watî kubo, Musan' ukufofa ngapâkati kwenu.

44 Akukô namnye unakô ukuza kum engatânga u-Bawo owanditûmayo amtsale; ndaye mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.

45 Kubâliwe eba-profetini *kwatîwa:* Baye bonke beya kuba ngabafundiswa ka-Tixo; bonke ngoko abatê beva ku-Bawo, bafunda *kuye*, bayeza kum.

46 Kungekuba kukô bani umbonileyo u-Bawo, inge nguye ovela ku-Tixo, nguye *yedwa* ombonileyo u-Bawo.

47 Inene, inene nditî kuni, Lowo ukôlwayo kum unobomi obungunapâkade.

48 Ndim isonka sobomi.

49 Oyihlo bayidla i-mana-leyo entlango, bafile noko.

50 Isonka sona esihla ezulwini sesi, ati ubani akusidla, angafi.

51 Ndim isonka esipîlileyo esi sehlayo ezulwini; ukuba ubani utê wasidla esisonka, wodla ubomi ngonapâkade; ke isonka endiya kumnika sona mna, siyinyama yam, endiya kuyinikela ubomi behlabatî.

52 Ngoko ama-Yuda ayesilwa pâkatî kwawo, esitî, Angatî-nina lo ukusinika inyama *yakê* siyidle?

Digitized by Google

53 Watî ngoko u-Yesu kuwo, Inene, inene nditî kuni, Ukuba anitânga niyidle inyama yo-Nyana womntu, nilisele igazi lakê, aninabo ubomi kuni.

54 Lowo uyidlayo eyam inyama alisele elam igazi, unobomi obungunapâkade; ndaye mna ndiya kumvusa ngomhla wokugqibela.

55 Kuba inyama yam ikukudla inyaniso, negazi lam liluselo inyaniso.

56 Lowo uyidlayo eyam inyama alisele elam igazi, uhleli kum, nam *ndihleli* kuye.

57 Njengoko u-Bawo opîlileyo wanditûmayo, ndibe nam, ndipîlile ngenx' eno-Bawo; lowo undidlayo, kwa yena uya kupîla ngam.

58 Siso eso isonka esehla ezulwini; kunge njengokuba oyihlo bayidlayo i-mana, bafa noko. Lowo usidlayo esisonka, uya kupîla ngonapâkade.

59 Ezizinto wazitêtâ endlwini yesikûngu, efundisa e-Kapernahum.

60 Into eninzi ngoko kubafundi bakê yakuva yatî, Lilizwi elinqabileyo eli, ngubanina onakô ukuliva?

61 Kekaloku esazi u-Yesu ngapâkatî kwakê, ukuba bayarora lilo abafundi bakê, watî kubo, Kuyanikûbekisa-na oku?

62 Hina-ke, ukuba nitê nambona u-Nyana womntu enyukela apô ebefudula ekôna?

63 Ngumoya odlisa ubomi; inyama yona ayincedi luto. Amazwi-la ndiwatêtâyo kuni mna angumoya, akubomi.

64 Kukô abatîle kuni abangakôlwayo; kuba ebesazi kwasekuqalekeni u-Yesu, ukuba ngobanina ababengakôlwa, nokuba ngubanina oya kumnikela.

65 Wayesitî, Kungenxa yoku endatshoyo kuni ukutî, akukô namnye unakô ukuza kum, ukuba akatânga akunikwe ngu-Bawo.

66 Ngenxa yoko into eninzi yabafundi bakê yabuya umva, ayabi sahambâ naye.

67 Watî ngoko u-Yesu kwabalishumi elinababini, Nani nifun'ukumka yinina?

68 Wampêndula ngoko u-Simon Petros watî, Nkosi, sosuka siye kubanina? nguwe onamazwi obomi obungunapâkade.

69 Natî sikôliwe sazile, ukuba wena unguye u-Kristu u-Nyana ka-Tixo opîlileyo.

70 Wabapêndula u-Yesu watî, Andininyulanga-na mna nina shumi linababini? ukanti omnye kuni ungumtŷoli.

71 Wayetêtâ-ke ngo-Yuda Sikariyoti ka-Simon, kuba lowo ibinguye ubeza kumnikela, engomnye weshumi elinababini.

7 Emveni kwezizinto wayehambâ u-Yesu kwelase-Galili; kuba ebengatandi ukuhambâ kwelakwa-Yuda; ngokuba ama-Yuda ebefuna ukumbulala.

2 Kekaloku wawukufupî umtêndeleko wama-Yuda weminquba.

3 Batî ngoko kuye abazalwana bakê, Gqita apâ, uye kwelakwa-Yuda, ukuze nabafundi bakô bayibone imisebenzi yakô oyenzayo.

4 Kuba akukô namnye wenza into emfihlekweni, abe yena ngokwakê efuna ukuba sekuhleni. Ukuba uyazenza ezizinto, zibonakalise ngokwakô kwihlabatî.

5 Kuba nabazalwana bakê bebengakôlwa kuye.

6 Watî ngoko u-Yesu kubo, Ixesha lam alikabikô, ke elenu ixesha lihlala lilungile.

7 Ihlabatî alinakunitîya nina, mna-ke liyanditîya; ngokuba mna ndinqîna ngalo, ukuba imisebenzi yalo ayindawo.

8 Nyukani nina, niye kulomtêndeleko; mna andikanyuki ndiye kulomtêndeleko; ngokuba ixesha lam alikazaliseki.

9 Akuba-ke ezitêtile ezizinto kubo, wahlala kwelase-Galili.

10 Ke, bakuba benyukile abazalwana bakê, wenyuka naye, waya emtêndelekweni, kungekôna ekuhleni, kubusitela.

11 Ayemfuna ngoko ama-Yuda emtêndelekweni, esitî, Upina yena?

12 Kwaye kukô ukurora okukûlu ngaye ebantwini; inxenye ibisitî, Ulungile; abanye-ke besitî, Hayi, yena ulahlekisa ulutu-olu.

13 Noko-ke bekungekô namnye ubeka ngaye ngokusekuhleni, ngenxa yokoyika ama-Yuda.

14 Kekaloku, kwakubon' ukuba sekupakatî komtêndeleko, wenyuka u-Yesu waya e-tempileni, wafundisa.

15 Ayemangaliswa ama-Yuda, esitî, Luyazi nganina imfundo, engafundanga nje?

16 Wapêndula u-Yesu, watî, Eyam' i-

Digitized by Google

mfundiso asiyam, yeyalowo wanditûmayo.
17 Ukuba kukô otî afune ukukwenza ukutânda kwakê, woyazi imfundiso-le, ukuba ipûma ku-Tîxo, nokuba mna nditêtâ okukokwam kusinina.
18 Lowo utêtâ okwakê, ufuna ololulwakê uzuko; ke lowo ufuna uzuko lowamtûmayo, uyinene yena, akukô kungalungisi kuye.
19 Umtêtô aniwunikelwanga-na ngu-Moses? kanti-ke akukô namnye kuni uwugcinayo umtêtô; yinina ukuba nifune ukundibulala?
20 Yapêndula indimbâne yatî, Une-demon; ngubanina ofuna ukukubulala?
21 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Ndenze umsebenzi wamnye, namangaliswake nonke.
22 U-Moses uninike ulwaluko ngenxa yoku, kunge ngenxa yokuba lupûme ku-Moses, kungenxa yokuba lupûme koyihlo; niyamalûsa-ke umntu nange-sabatâ.
23 Ukuba umntu uyalûswa nge-sabatâ, ukuze ungapûlwa umtêtô ka-Moses, nindijalele-na ngokuba ndipîlisê umntu wapîla kwapêla nge-sabatâ?
24 Musan' ukugweba ngokwembônakalo, gwebani ngomgwebo olungisayo.

25 Babesitî ngoko abatîle kwabase-Yerusalem, Asinguye-na lo bafuna ukumbulala?
26 Niyabona, utêtâ ngokupândle, abatêtî nto kuye; bangaba kanti-na-ke bayazi okwenyaniso abapâtî, ukuba lo nguye u-Kristu [1] okwenyaniso?
27 Tîna lo siyamazi apô avela kôna; xa sukuba-ke u-Kristu esiza, akukô namnye uya kumazi apô avela kôna.
28 Wadanduluka-ke ngoko, efundisa etempileni u-Yesu, watî, Nina niyandazi, nikwazi nalapô ndivela kona; andizanga ngokwam; uyinyaniso owanditûmayo, eningamaziyo nina.
29 Mna-ke ndiyamazi; ngokuba ndivela kuye, waye yena enditûmile.
30 Babefuna ngoko ukumbambâ; kodwa akubangakô namnye umsa isandla; ngokuba ilixa lakê belingekafiki.
31 Kekaloku into eninzi endimbâneni yakôlwa kuye, yayisitî, U-Kristu, xa atê wafika, angaba uya kwenza imiqondiso emininzi-na kunalé ayenzileyo lo?

32 Aba-Farisi beva abantu bezifofela ezizinto ngaye; baza aba-Farisi nababingeleli abakûlu batûma ama-dindala ukuba ambambê.
33 Watî ngoko u-Yesu kuwo, Lise lixesha elîfutshane endinani, ndize ndiye kowanditûmayo.
34 Niya kundifuna, ningandifumani; nitî apô ndikôna mna, ningabi nakufika nina.
35 Atî ngoko ama-Yuda pâkatî kwawo, Uza kuya pîna lo, lento singayi kumfumana tîna? angaba uza kuya kwintsali ezikuma-Grike, afundise ama-Grike yinina?
36 Liyinto-nina elilizwi alitêtîleyo, *litî*, Niya kundifuna ningandifumani; nitî apô ndikôna mna, ningabi nakufika nina?

37 Kekaloku, ngomhla wokugqibela ongowona mkûlu womtêndeleko, wema u-Yesu, wadanduluka esitî, Ukuba kukô otî anxanwe, makeze kum asele.
38 Lowo ukôlwayo kum, njengoko satshoyo isibâlo, kuya kumpômpôza imilambô yamanzi apîlileyo ipûma embilinini wakê.
39 Oku wakutsho-ke ngaye u-Moya, abebeza kumamkeliswa abo bakôlwayo kuye; kuba ebengekamkelwa u-Moya Oyingcwele; ngokuba u-Yesu ebengekazukiswa.
40 Yaye ngoko into eninzi endimbâneni, yakuliva ilizwi-elo, isitî, Lo nguye umprofeti inyaniso.
41 Babesitî abanye, Lo nguye u-Kristu.[1] Babesitî abanye, U-Kristu [1] angavela kwelase-Galili yinina?
42 Asitshongo-na isibâlo ukutî, u-Kristu [1] upûma embêwini ka-Davide, nase-Betelehem, umzana abe kuwo u-Davide?
43 Kengoko yatî-qêke kubini indimbâne ngenxa yakê.
44 Inxenye-ke kubo yayitânda ukumbambâ; kodwa akubangakô namnye umsa izandla.

45 Afika ngoko ama-dindala kubabingeleli [2] abakûlu nakuba-Farisi; baza bona batî kuwo, Kunganina ukuba ningezi naye?
46 Apêndula ama-dindala atî, Akuzanga kutêtê mntu njengo*ko atêtâ ngako* lomntu.

[1] Um-Tanjiswa ngokunye u-Mesiya.
[2] Abenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

47 Bawapêndula ngoko aba-Farisi, batî, Ningaba nilahlekisiwe nani-na?
48 Kubapâtî nakuba-Farisi kungaba kukô mntu ukoliweyo kuye yinina?
49 Oluluntu lungawaziyo umtêtô luqalekisiwe.
50 Atî u-Nikodemo kubo, (lowa wezayo kuye ebusuku, engomnye kwabo,)
51 Umtêtô wetû uyamgweba yinina umntu, ukuba awutânga uve kuye kuqala, uqonde into ayenzayo?
52 Bapêndula batî kuye, Ungaba ungowelase-Galili nawe-na? Pêngulula ubone, ukuba akuveli m-profeti kwelase-Galili.

53 Walowo-ke waya kweyakê indlu;

8 U-Yesu-ke yena waya entabeni yemi-Nquma.
2 Utê-ke ngesifingo wabuya wafika e-tempileni, baye bonke abantu besiza kuye; wahlala pântsi, wabafundisa.
3 Ababâli naba-Farisi bazisa-ke kuye umfazi obanjwa efexeza; baza bemmise pâkatî,
4 Batî kuye, Mfundisi, lomfazi wabanjwa efexeza, kanye kulontlondi.
5 Kekaloku emtêtwêni u-Moses wasimisela ukutî, abanjalo mabagityiselwe ngamatye; utî-nina-ke wena?
6 Babesitsho-ke bemhenda, ukuze babe nokummangalela; kodwa u-Yesu etôbe pântsi wabâla ngomnwe emhlabeni.
7 Utê-ke bakumana bembuza wapâkama. watî kubo, Onge nasono kuni, makaqale amgibisele ngelitye.
8 Wabuya watôba pântsi, wabâla emhlabeni.
9 Batê-ke bona bakuva, besohlwaywa naluvalo lwabo, bapûma ngabanye, beqalela kwabakûlu, kwada kwaba kwabokugqibela. Wasala yedwa u-Yesu, waye umfazi emi pâkatî.
10 Epâkamile-ke u-Yesu akabona mntu, kwakupêla umfazi-lowo, watî kuye, Mfazindini, bapîna abobamangaleli bakô? akukô ukugwebileyo-na?
11 Watî-ke yena, Noko amnye, Nkosi. Watî-ke u-Yesu kuye, Nam andikugwebi; hambâ ungabuye wône.

12 Wabuya ngoko u-Yesu watêtâ kubo, esitî, Ndim ukânyiselo lwehlabatî; lowo undilandelayo akasayi kuhambâ ebumnyameni, yena uya kuba nalo ukânyiso lobomi.
13 Batê ngoko aba-Farisi kuye, Wena uyazinqînela, ubunqîna bakô abunene.
14 Wapêndula u-Yesu watî kubo, Nokuba nditî ndizinqînele mna ngokwam. buyinene ubunqîna bam; ngokuba ndiyazi apô ndavela kôna nalapô ndiya kôna: ke nina anazi apô ndivela kôna nalapô ndiya kôna.
15 Nina nigweba ngokwenyama; mna andigwebi namnye.
16 Nokuba nditî ndigwebe mna, umgwebo wam uyinene; ngokuba andindedwa, ndim no-Bawo owanditûmayo.
17 Nasemtêtwêni wenu-ke kubâlwe *kwatîwa:* Ubunqîna babantu ababini buyinene.
18 Mna ndingulowo uzinqînelayo, uyandinqînela nalowo wanditûmayo, u-Bawo.
19 Batî ngoko kuye, Upîna u-Yihlo? Wapêndula u-Yesu, watî, Anindazi mna, *animazi* no-Bawo. Ukuba benindazi mna, ngenimazi no-Bawo.
20 Lomazwi wawatêtâ u-Yesu ngasemkumbîni wokulondoloza imali, efundisa e-tempileni; akwabikô namnye umbambâyo; ngokuba belingekafiki ilixa lake.

21 Wabuya ngoko u-Yesu watî kubo, Ndiyemka mna, niya kundifuna, nifele e-zonweni zenu; apô ndiya kôna mna, aninakô ukufika nina.
22 Abesitî ngoko ama-Yuda, Angabuya kuzibulala-na, lento atî, apô ndiya kôna mna, aninakô ukufika nina?
23 Watî kuwo, Nina ningabangapântsi mna ndingowangapêzulu; nina ningabelihlabatî, mna andingowelihlabatî.
24 Ndatsho ngoko kuni ukutî, Niya kufela ezonweni zenu; kuba ekubeni nite anakôlwa ukuba ndinguye, niya kufela ezonweni zenu.
25 Abesitî ngoko kuye, Ungubani wena? Watî kuwo u-Yesu, Ndiyilonto ndayixelayo kuni kwasekuqaleni.
26 Ndinendawo ezininzi zokutêtâ nokugweba ngani; lowo wanditûmayo uyinene; nditî-ke mna, izinto endazivayo kuye, nditêtâ zona ezo kwihlabatî.
27 Akaqondanga ukuba ebetêtâ ngo-Yise kuwo.
28 Watî ngoko u-Yesu kuwo, Xa nite nampâkamisa u-Nyana womntu, noqonda oko ukuba ndinguye, nokuba andenzi nto

Digitized by Google

ngokwam, ndisuka ndizitêtê ezizinto njengoko wandifundisayo u-Bawo.
29 Lowo wanditûmayo unam; u-Bawo akandishiyanga ndedwa; ngokuba mna ndihleli ndizenza izinto ezikôlekileyo kuye.
30 Akubon' ukuba uyazitêtâ ezizinto, bakôlwa kuye baba baninzi.

31 Ubesitî ngoko u-Yesu kuloma-Yuda akôliweyo kuye, Ukuba nina nitê nahlala elizwini lam, noba ningabafundi bam inyaniso.
32 Naniya kuyazi inyaniso, yaye inyaniso iya kunikûlula.
33 Ampêndula, *atî*, Tîna siyimbêwu ka-Abraham, asizanga sibe sebukôbokeni nakubani; utsho nganina wena ukutî, Noba ngabakûlulekileyo?
34 Uwapêndule u-Yesu watî, Inene, inene nditî kuni, Bonke abenza isono bangamakôboka esono.
35 Ikôboka-ke alihlali endlwini ngonapâkade; ngunyana ohlala ngonapâkade.
36 Ngoko ukuba u-Nyana utê wanikûlula, noba nikûlulekile inene.
37 Ndiyazi, ukuba niyimbêwu ka-Abraham; ke nifuna ukundibulala; ngokuba ilizwi lam linge nakuhambâ kuni.
38 Mna nditêtâ endikubonileyo ku-Bawo; nani-ke nenza enikubonileyo kuyihlo.
39 Apêndula atî kuye, Ubawo tîna ngu-Abraham. Atî kuwo u-Yesu, Ukuba nibe ningabantwana baka-Abraham, ninge niyenza imisebenzi ka-Abraham.
40 Kaloku-ke nifuna ukubulala mna mntu unixelele inyaniso endayiva ku-Tîxo; akakwenzanga oko u-Abraham.
41 Nina nenza imisebenzi yoyihlo. Atî ngoko kuye, Tina asizelwe ngabuhenyu, sina-Bawo mnye, u-Tîxo.
42 Utê-ke u-Yesu kuwo, Ukuba u-Tîxo ebe ngu-Yihlo, ninge ninditânda; kuba mna ndapûma ku-Tîxo, ndifikile-ke; kuba andizanga ngokwam, nguye owanditûmayo.
43 Kunganina ukuba ningayiqondi intetô yam? kungokuba ninge nakuliva ilizwi lam.
44 Nina ningaboyihlo umtŷoli, nenkanuko zoyihlo niyatânda ukuzenza. Yena waye sibulala-mntu kwasekuqaleni, akemi enyanisweni; ngokuba akukô nyaniso kuye. Xa sukuba etêtâ ubuxoki, utêtâ okukokwakê; ngokuba ulixoki noyise wawo.
45 Mna-ke, ngokuba nditêtâ inyaniso, anikôlwa ndim.
46 Ngubanina kuni ondohlwayayo ngenxa yesono? Ukuba-ke nditêtâ inyaniso, kunganina ukuba ningakôlwa ndim?
47 Lowo ungoka-Tîxo, uyaweva amazwi ka-Tîxo; ngenxa yoko aniweva nina, ngokuba ninge ngabaka-Tîxo.
48 Apêndula ngoko ama-Yuda, atî kuye, Asilungisi-na tîna ukutî ungum-Samariya wena, nokutî une-demon?
49 Wapêndula u-Yesu *watî*, Andina-demon mna; ndibeka u-Bawo; nina-ke nibe nindihlaza.
50 Mna-ke andifuni luzuko lwam; ukô lowo ufunayo, ugwebayo.
51 Inene, inene nditî kuni, Ukuba umntu utê waligcina ilizwi lam, akasayi kuze abone kufa napâkade.
52 Atî ngoko ama-Yuda kuye, Kukaloku-nje siyazi, ukuba une-demon; u-Abraham wafa, nabo aba-profeti *bafa*, ube wena usitî, Ukuba umntu utê waligcina ilizwi lam, akasayi kuze eve kufa napâkade.
53 Wena ungaba umkûlu yinina kunobawo wetû u-Abraham, yena wafayo? naba-profeti bafa; uzenza banina wena?
54 Wapêndula u-Yesu *watî*, Ukuba mna nditî ndizizukise, uzuko lwam alungebi nto; ngu-Bawo ondizukisayo, enitî nina ngu-Tîxo wenu.
55 Kanti-ke animazanga; mna-ke ndiyamazi; ukuba-ke nditê andimazi, ndoba ndilixoki njengani; ndiyamazi, ndiligcinile nelizwi lakê.
56 U-Abraham uyihlo wageobela ukuwubona umhla wam; wawubona, wavuya.
57 Atî ngoko ama-Yuda kuye, Ungekabi naminyaka imashumi mahlanu-nje, umbonile-na u-Abraham?
58 Watî kuwo u-Yesu, Inene, inene nditî kuni, Engekabikô u-Abraham, mna ndikô kade.
59 Ngoko acôla amatye, ukuze amgibisele; wazimela-ke u-Yesu, wapûma e-tempileni, wacanda pâkatî kwawo; wenje njalo ukudlula.

9 Utê-ke edlula wabona umntu obe yimfama kwasekuzalweni kwakê.
2 Bambuza-ke abafundi bakê, besitî,

Digitized by Google

Rabî,[1] ngubanina owŏnayo, nguló, ngabazali bakê sinina, ukuze azalwe eyimfamanje?

3 Wapêndula u-Yesu watî, Akŏne ló, *akŏne* bazali bakê; uzelwe eyimfama, ukuze ibonakalaliselwe kuye imisebenzi ka-Tîxo.

4 Ndimelwe kukuyisebenza imisebenzi yowanditûmayo, kusesemini; kuza ubusuku, xa kungekô namnye unakô ukusebenza.

5 Xa ndisesehlabatîni, ndilukânyiselo lwehlabati.

6 Akuba etshilo watshica emhlabeni, wenza udaka ngamatê, wawaqaba amehlo emfama ngodaka-olo.

7 Watî kuyo, Yiya kuhlambâ ecîbini le-Silowa (oko kukutî ngentetô evakalayo Tûnyiwe). Yemka ngoko, yaya yahlambâ, yeza ibona.

8 Baye ngoko abamelwane, nababembona ngapâmbîli ukuba uyimfana, besitî, Lo asinguye-na obehleli enqîba?

9 Abanye babesitî, Nguye lo; bambî-ke *batî*, Ufana naye; yena wayesitî, Ndinguye.

10 Babesitî ngoko kuye, Atê-nina ukuvuleka amehlo akô?

11 Wapêndula yena watî, Umntu ekutîwa ngu-Yesu wenze udaka, waqaba amehlo am, watî kum, Yiya ecîbini le-Silowa, uhlambê; ndiyile-ke, ndahlambâ, ndabuya ndibona.

12 Batî ngoko kuye, Upîna yena? Atî, Andazi.

13 Bamzisa kuba-Farisi lowo ubefudula eyimfama.

14 Kekaloku yaye iyi-sabatâ oko u-Yesu wenza udaka, wawavula amehlo akê.

15 Babuya ngoko-ke bambuza naba-Farisi, ukuba utê-nina ukubuye abone. Watî-ke yena kubo, Ubeke udaka emehlweni am, ndaza ndahlambâ, ndiyabona-ke.

16 Babesitî ngoko abatîle bakuba-Farisi, Lomntu asingowakwa-Tîxo, ngokuba isabatâ akayigcini. Babesitî abanye, Angatî-nina umntu ongumoni ukwenza imiqondiso engakanana? Batî-qêke kubini.

17 Babuye batî kwimfama, Utî-nina wena ngaye ewavulile-nje amehlo akô? Utê-ke yena, Ungum-profeti.

18 Akakôlwa ngoko ama-Yuda ngaye, ukuba ebe yimfama wabuye wabona, ada abiza abazali balowo ubuye wabona.

19 Aza ababuza esitî, Lo ngunyana wenu-na, enitî nina wazalwa eyimfama? pôfu ubona nganina ngoku?

20 Abazali bakê bawapêndula batî, Siyazi ukuba lo ngunyana wetû, kwa nokuba-ke wazalwa eyimfama;

21 Lento-ke abonayo ngoku asazi, novule amehlo akê asimazi tîna; usel' emkûlu yena, buzani kuye, wozitêtêla.

22 Batsho abazali bakê, ngokuba babesoyika ama-Yuda; kuba ama-Yuda abesel' enqopîsene ngokutî, Ukuba utê umntu wamvuma ububa ngu-Kristu,[1] az'akûtshwe esikûngwini.

23 Kungenxa yoko abazali bakê batî, Usel' emkûlu, buzani kuye.

24 Ambiza ngoko okwesibini umntu obe yimfama, atî kuye, Zukisa u-Tîxo; siyazi tîna ukuba lomntu ungumoni.

25 Upêndule ngoko yena, watî, Ukuba ungumoni, andazi; ndazi nto nye, eyokuba ndibe ndiyimfama-nje ngoku ndiyabona.

26 Abuye-ke atî kuye, Wenze nto-nina kuwe? utê-nina ukuwavula amehlo akô?

27 Wawapêndula *watî*, Sendinixelele, naza aneva; nitândela-nina ukubuya nive? nani ningaba nitânda ukuba ngabafundi bakê-na?

28 Amtshabisa ngoko atî, Nguwe umfundi wakê; ke tîna singabafundi baka-Moses.

29 Siyazi tîna, ukuba u-Tîxo utêtîle ku-Moses; lo yena asimazi apô avela kôna.

30 Wapêndula umntu lowo, watî kuwo. Nasi apâ isimanga, ukutî nina ningazi apô avela kôna; ukanti uwavulile amehlo am.

31 Siyazi-ke ukuba u-Tîxo akabeva aboni; kodwa ukuba umntu utî amhlonele u-Tîxo, akwenze ukutânda kwakê, uyamva lowo.

32 Kwasepâkadeni akuzanga kuviwe ukuba umntu wakâ wavula amehlo ozelwe eyimfama.

33 Ukuba lo ebenge nguye owakwa-Tîxo, ebenge nakwenza nto.

34 Apêndula atî kuye, Wena wazalelwa ezonweni kanye; ufundisa tîna-na wena? Amkûpêla ngapândle.

35 Weva u-Yesu ukuba amkûpêle ngaku-

[1] Mfundisi.

[1] Um-Tanjiswa ngokunye u-Mesiya.

Digitized by Google

pândle; utê akumfumana watî kuye, Wena uyakôlwa-na ku-Nyana ka-Tîxo?
36 Upêndule yena watî, Ongubanina, Nkosi, ukuze ndikôlwe kuye?
37 Utê-ke u-Yesu kuye, Umbonile; nguye lo utêtâ nawe.
38 Watî-ke yena, Ndiyakôlwa, Nkosi. Waza waqubuda kuye.
39 Watî u-Yesu, Mna ndizele ugwebo kwelihlabati, ukuze abangaboniyo babone, batî ababonayo babe zimfama.
40 Baziva ezonto abakuba-Farisi abebe naye, batî kuye, Singaba sizimfama natî-na?
41 Utê-ke kubo u-Yesu, Ukuba benizimfama, ngeninge nasono; kungoku nitî, Siyabona; ke ngoko isono senu sihleli.

10 Inene, inene nditî kuni, Ongangeniyo ngalo isango ebuhlanti bezimvu, osuka akwele ngandawo yimbî, lowo ulisela nesihange.
2 Ke yena ongena ngalo isango ngumalûsi wezimvu.
3 Umgcini-sango uyamvulela lowo; zitî nezimvu zilive izwi lakê, azibize ezakê izimvu ngamagama, azikôkele pândle zona.
4 Xa atê wazikûpâ ezakê izimvu, uhambâ pâmbî kwazo, zitî nezimvu zimlandele; ngokuba zilazi izwi lakê.
5 Ke owasemzini azingemlandeli, zosuka zimbaleke; ngokuba zingalazi izwi labasemzini.
6 Lomzekeliso wawutêtâ kubo u-Yesu; ke bona abaziqondanga ukuba zinto zinina ezo abezitêtâ kubo.

7 Wabuya watî ngoko kubo u-Yesu, Inene, inene nditî kuni, Ndim isango lezimvu.
8 Bonke abezayo ngapâmbî kwam bangamasela nezihange; ke zona izimvu azibevanga.
9 Ndim isango; ukuba umntu utê wangena ngam, wosindiswa; uya kungen' epûma afumane utyani.
10 Isela alizi lingazele ukuze libê, lixêle, litshabalalise. Mna ndizele ukuze babe nobomi, babe nabo-ke ngokugqitiseleyo.
11 Ndim umâlusi olungileyo; umâlusi olungileyo ubomi bakê ubuncamela izimvu.
12 Ke yena ongumqeshwa enge ngumalûsi, ezingezizo ezakê izimvu, uyibona incûka isiza, azishiye izimvu, abaleke, ize incûka izibambê, izicîtacîte izimvu.
13 Umqeshwa-lo-ke ubaleka, ngokuba engumqeshwa, engazikâtâlele izimvu.
14 Ndim umalûsi olungileyo; ndiyazazi ezam, ndiyaziwa nezam.
15 Njengokuba endazi u-Bawo, nam ndiyamazi u-Bawo, nobomi bam ndibuncamela izimvu.
16 Ndinazo nezinye izimvu, ezinge zizo ezobubuhlanti; nazo ezo ndimelwe kukuza nazo, zaziya kuliva izwi lam, zibe mhlambî mnye, nomalûsi omnye.
17 Ngenxa yoku u-Bawo uyanditânda; ngokuba mna ndibuncama ubomi bam, ukuze ndibuye ndibutâbatê.
18 Akukô namnye ubuhlutâyo kum, ndiyabuncama mna ngokwam; ndinegunya lokubuncama ndinegunya lokubuye ndibutâbatê; lomtêtô ndawamkela ku-Bawo.

19 Abuye ngoko ama-Yuda atî-qêke kubini ngenxa yalamazwi.
20 Yayisitî-ke into eninzi kuwo, Unedemon, uyageza; yinina ukuba nimpûlapûle.
21 Abanye babesitî, Lamazwi asingawo awopêtwe yi-demon; i-demon ingaba inakô yinina ukuvula amehlo emfama?
22 Kekaloku kwabakô umtêndeleko wokuhlaziywa kwe-tempile e-Yerusalem; kwaye kusebusika.
23 Wayehambâhambâ u-Yesu e-tempileni, e-varandeni ka-Solomon.
24 Amngqonga ngoko ama-Yuda, atî kuye, Koda kube ninina usipôngomisile? Ukuba unguye u-Kristu, sixelele ngokupândle.
25 Wawapêndula u-Yesu watî, Ndinixelele, noko anikôlwa; imisebenzi endiyenzayo mna ngegama lika-Bawo, yona iyangîna ngam.
26 Nina anikôlwa, kuba aningabo abezimvu zam; njengoko ndanixelelayo.
27 Ezam izimvu ziyaliva izwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela;
28 Mna ndizinika ubomi obungunapâkade; azisayi kutshabalala napâkade; akukô namnye uya kuzihlutâ esandleni sam.
29 U-Bawo ondinikê zona ungapêzu kwabo bonke; akukô bani unakô ukuzihlutâ esandleni sika-Bawo.
30 Mna no-Bawo siba-nye.

Digitized by Google

31 Abuya ngoko ama-Yuda acôla amatye ukuba amxulube.
32 Wawapêndula u-Yesu *watî*, Mininzi imisebenzi emihle, endanibonisayo ivela ku-Bawo; nindixuluba ngenxa yawupîna umsebenzi kuyo?
33 Ampêndula ama-Yuda esitî, Asikuxulubeli msebenzi mhle, sikuxuluba ngokuba unyelisa; nangokuba wena usitî ungumntu-nje usuke uzenze u-Tixo.
34 Uwapêndule u-Yesu *watî*, Akubâliwe-na emtêtwêni wenu *kwatîwa:* Mna ndatê ningotîxo?
35 Ukuba utê bona bangotîxo, eleza kubo ilizwi lika-Tîxo, (sibe isibâlo singenakwapûlwa;)
36 Nitsho-na nina ngaye lowo, u-Yise wamngcwalisayo, wamtûma ehlabatîni, ukutî, Uyanyelisa; ngokuba ndatê, Ndingu-Nyana ka-Tixo?
37 Ukuba andiyenzi imisebenzi ka-Bawo, musan' ukukolwa ndim.
38 Ke ukuba ndiyayenza, nokuba anikôlwa ndim, kôlwani yiyo yona imisebenzi; ukuze nazi, nikôlwe ukuba u-Bawo ukum, nam ndikuye.
39 Abuye ngoko afuna ukumbambâ; wapûluka ezandleni zawo.

40 Wabuya wemka, waya pêsheya kwe-Yordan, kwindawo abebâptizela kuyo u-Yohane kuqala; wahlala kôna.
41 Kweza babaninzi kuye, batî, U-Yohane okunene akenzanga namnye umqondiso; kodwa-ke zonke izinto, awazitêtâyo u-Yohane ngaye lo, zaziyinene.
42 Batî abaninzi bakôlwa kuye kôn'apô.

11 Kekaloku, kwaye kusifa *umntu* otîle u-Lazaro wase-Betani, umzi wakulolo-Mariya no-Marta udade wabo.
2 Yaye-ke inguló-Mariya wayitâmbîsayo i-Nkosi ngamafutâ aqôliweyo, wazisulayo inyawo zayo ngenwele zakê; omnakwabo u-Lazaro wayesifa.
3 Batûmela ngoko odade bakê kuye, besitî, Nkosi, uyabona, lowo umtândayo uyafa.
4 Evile-ke u-Yesu watî, Esisifo asiyelele kufeni, singenxa yozuko luka-Tixo, ukuze u-Nyana ka-Tîxo azukiswe ngaso.
5 Ke u-Yesu wayebatânda o-Marta nomsakwabo no-Lazaro.
6 Utê ngoko akuva ukuba uyafa, wakê okunene wahlala kulondawo abe kuyo intsuku ezimbîni.
7 Waza emveni koko watî kubo abafundi, Masibuye siye kwelakwa-Yuda.
8 Batî abafundi kuye, Rabî, ama-Yuda ebefuna ngoku ukukuxuluba ngamatyenje, ubuya uye kôna-na?
9 Wapêndula u-Yesu *watî*, Akalishumi elinamabini-na amaxa emini? Ukuba umntu utî ahambê emini, akakûbeki; ngokuba elubona ukânyiselo lwelihlabatî.
10 Ke ukuba umntu utî ahambê ebusuku, uyakûbeka; ngokuba ukukânya kungekô kuye.
11 Wazitêtâ ezizinto; aze emveni koko atî kubo, U-Lazaro umhlobo wetû ulele; ndiyaya ukuba ndimvuse.
12 Batî ngoko abafundi bakê, Nkosi, ukuba ulele, wosinda.
13 Ke yena u-Yesu ubetêtâ ukufa kwakê. Bona-ke bebeba utêtâ ngokulala ubutôngo.
14 Wandula ngoko u-Yesu watî kubo ngokungafihlisiyo, U-Lazaro ufile.
15 Ndiyavuya-ke ngenxa yenu, ukuba ndibe ndingekô kôna, ukuze nikôlwe. Noko-ke masiye kuye.
16 Utê ngoko u-Tomas, okutîwa ngu-Didimo, kubafundi kunye naye, Masiye nati, ukuze sife naye.

17 Efikile ngoko u-Yesu, wafika esel' esencêwabeni intsuku zone.
18 (Kekaloku i-Betani ibi kufupi ne-Yerusalem, umgama wayo uzi-tadiya ezingatî zilishumi elinazihlanu).
19 Kwakufike abaninzi bakuma-Yuda kwabo babe no-Marta no-Mariya, ukuze babaküze ngaye umnakwabo.
20 Akuva ngoko u-Marta ukuba u-Yesu uyeza, wamhlangabeza; ke yena u-Mariya wahlala endlwini.
21 Watî ngoko u-Marta ku-Yesu, Nkosi, ukuba ubulapâ, umnakwetû nge enge-fanga.
22 Nangoku ndiyazi, ukuba ongatî ukucele ku-Tixo, oko wokunika u-Tîxo.
23 Atî kuye u-Yesu, Umnakwenu uya kubuye avuke.
24 Atî u-Marta kuye, Ndiyazi ukuba uya kubuye avuke eluvukweni ngomhla wokugqibela.
25 Watî u-Yesu kuye, Ndim uvuko, ndim ubom; lowo ukôlwayo kum, nokuba ubetê wafa, wodla ubom.

Digitized by Google

26 Bonke abadla ubom bekôlwa kum, abasayi kufa napakade; uyakôlwa-na koko?
27 Atî kuye, Ewe, Nkosi, mna ndiyakôlwa ukuba wena unguye u-Kristu, u-Nyana ka-Tîxo, lowo uzayo ehlabatîni.
28 Waza etshilo wemka, waya wabiza u-Mariya umsakwabo ngasese, watî, Umfundisi ukô, uyakubiza.
29 Atî yena, akuva *oko*, asuke kamsinya eze kuye.
30 (Kekaloku, u-Yesu ebengekangeni pâkatî komzi; wayesekulondawo, u-Marta wamhlangabeza ekuyo.)
31 Atê ngoko ama-Yuda abe naye endlwini emkûza, akumbona u-Mariya, ukuba usuke kamsinya wapûma, amlandela esitî, Uya encẃabeni ukuya kulila kôna.
32 U-Mariya ngoko, akufika apô u-Yesu ebe kôna, akumbona, wawa ezinyaweni zakê, esitî kuye, Nkosi, ukuba ubulapâ, ange engafanga umnakwetû.
33 Utê ngoko u-Yesu, akumbona elila, nama-Yuda abeze naye elila, wafutêka, wakâtâzeka.
34 Watî, Nimbeke pîna? Batî kuye, Nkosi, yiza ubone.
35 U-Yesu walila.
36 Ayesitî ngoko ama-Yuda, Yabonanike ukumtânda kwakê!
37 Ke abatîle kuwo batî, Ubenge nakôna lo wawavulayo amehlo emfama, ukwenza ukuba naló angafi?
38 Abuye-ke u-Yesu afutêke ngapâkatî kwakê, eze encẃabeni. Laye-ke lingumqolombâ, kubekwe ilitye kuwo.
39 Atî u-Yesu, Lisuseni ilitye. Atî kuye u-Marta udade wofileyo, Nkosi, usel' enuka, kuba untsuku ne efile.
40 Atî u-Yesu kuye, Anditshongo-na kuwe ukutî, ukuba utê wakôlwa, wolubona uzuko luka-Tîxo?
41 Balisusa ngoko ilitye apô abelele kôna ofileyo. Wawapâkamisa-ke amehlo u-Yesu, *wakângela* pêzulu, watî, Bawo, ndiyabulela kuwe kuba undivile.
42 Mna-ke bendisazi ukuba uhleli undiva; ke nditsho ngenxa yendimbâne exônteleyo, ukuze bakôlwe ukuba wena wanditûma.
43 Etshilo-ke wadanduluka ngezwi elikûlu, watî, Lazaro, pûma.
44 Wapûma ofileyo, ebotshiwe inyawo nezandla ngezitândelo, nobuso bakê bujikelwe ngeqiya. Atî kubo u-Yesu, Mkûluleni, nimyeke ahambê.

45 Itê ngoko into eninzi kuma-Yuda, ebizē ku-Mariya, yakuzibona izinto azenzileyo u-Yesu, yakôlwa kuye.
46 Ke abatîle kuwo bemka baya kuba-Farisi, babaxelela izinto azenzileyo u-Yesu.
47 Bahlanganisa ngoko ababingeleli[1] abakûlu naba-Farisi intlanganiso yamatyala, batî, Senza nto-nina? ngokuba lomntu wenza imiqondiso emininzi.
48 Ukuba sitê samyeka ngokunje, bonke baya kukôlwa kuye; atî-ke ama-Roma eze atîmbê indawo yetû kwa nohlanga lwetû.
49 Kekaloku omnye wabo u-Kayafa, engumbingeleli[1] omkûlu ngalomnyaka, watî kubo, Anazi nto nina;
50 Kananjalo aniqondi ukuba kusilungele, ukuba kufe umntu abe mnye ngenxa yabantu, ukuze lungatshabalali uhlanga lupêla.
51 Oku-ke akakutêtânga kupûma kuye; watî, kuba ebengumbingeleli[1] omkûlu, ngalomnyaka, waprofeta ukuba u-Yesu uza kulufela uhlanga;
52 Kungabi ngenxa yohlanga-olo lodwa, kube ngenxa yabantwana baka-Tîxo abalusali, ukuba abahlanganisele ndawonye.
53 Kususela kulomini ngoko babûnga ukuba bambulale.

54 Ngoko-u-Yesu akabanga-ke sahamba ekuhleni pâkatî kwama-Yuda; wasuka wemka apô, waya ezweni elikufupî nentlango emzini ekutîwa kukwa-Efrayim; walibala kôn'apô nabafundi bakê.
55 Kekaloku yayikufupî i-pasika yama-Yuda; kwenyuka into eninzi ipûma kwelozwe, yaya e-Yerusalem pâmbî kwayo i-pasika, ukuze izenze nyulu.
56 Ayemfuna ngoko u-Yesu etêtâ odwa, emi e-tempileni, esitî, Nitî-nina? akasayi kuza-na emtêndelekweni?
57 Kekaloku ababingeleli[1] abakûlu naba-Farisi babewise umtêtô wokutî, ukuba umntu utê wazi apô akôna, maz' axele, ukuze bambambê.

12 U-Yesu ngoko kwintsuku ezintandatû ezi pâmbî kwayo i-pasika weza e-Betani, apô ebe kôna u-Lazaro owayefile, awamvusayo kwabafileyo.

[1] Umenzeleleli kwi-Test endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

2 Ngoko bamenzela isidlo kôna; waye u-Marta elungiselela, u-Lazaro-ke ebe ngomnye wabo babehleli naye besidla.

3 Watâbatâ-ke u-Mariya i-ponti yamafutâ aqôliweyo e-nadusi engangxengelelweyo exabiso likûlu, watâmbîsa inyawo zika-Yesu, wazisula inyawo zake ngenwele zake; yazala-ke indlu livumbâ lamafutâ lawo aqôliweyo.

4 Atî ngoko omnye umfundi wakê, u-Yuda Sikariyoti, oka-Simon, lowo ubeza kumnikela,

5 Bekunganina ukuba lamafutâ aqôliweyo angatêngiswa nge-denariyo ezimakûlu matâtû, kupîwe amahlwempu?

6 Watsho-ke, kunge ngakuba ebekâtâlele mahlwempu, watsho kuba ebe lisela, inaye inxôwa, zipâtwa nguye izinto ezifakwa kuyo.

7 Utê ngoko u-Yesu, Myeke; uwalondolozele imini yokuncwatywa kwam.

8 Kuba amahlwempu-la nihleli ninawo; mna-ke anihleli ninam.

9 Yatî ngoko indimbâne enkulu yakuma-Yuda yakwazi ukuba ulapô; yeza kunge ngenxa ka-Yesu yedwa, yeza ukuze ibone no-Lazaro lowo wamvusayo kwabafileyo.

10 Kekaloku ababingeleli[1] abakûlu babûnga ukuze bambulale no-Lazaro;

11 Ngokuba ngenxa yakê abaninzi bama-Yuda bemka, bakôlwa kuye u-Yesu.

12 Ngengomso indimbâne enkulu eyab' ize emtendelekweni, yakuva ukuba u-Yesu uyeza e-Yerusalem;

13 Yatâbatâ amasebe esundu, yapûma yaya kumhlangabeza; yadanduluka isitî, Hosana, makabongwe lowo uzayo ngegama le-Nkosi, u-Kumkani ka-Sirayeli.

14 U-Yesu efumene-ke i-esilana, wahlala pêzu kwalo, njengokuba kubâliwe *kwatîwa:*

15 Mus'ukoyika, ntombî Tsiyon; nanko ukumkani wakô esiza, ehleli pêzu kwetôle le-esile.

16 Ezizinto-ke abaziqondanga abafundi bakê ukuqala; batî kodwa, akuba ezukisiwe u-Yesu, bandula ukukûmbûla ukuba ezizinto zaye zibâliwe ngaye, nokuba bazenza ezizinto kuye.

17 Yaye inqîna ngoko indimbâne-leyo ibe inaye oko wambizayo u-Lazaro ukuba apûme encwâbeni, wamvusa kwabafileyo.

18 Ngenxa yoko indimbâne yamhlangabeza; ngokuba yayivile ukuba uwenzile lomqondiso.

19 Batê ngoko aba-Farisi pâkatî kwabo, Niyabona-na kodwa ukuba anincedi luto? yabonani, ulandelwa lilizwe lonke.

20 Kekaloku, kwakukô ama-Grike atîle kwababenyukile, beze kuqubuda emtendelekweni.

21 Wona ngoko eza ku-Filipu wase-Betesayida yelase-Galili, acela kuye, esitî, Nkosi, singa singabona u-Yesu.

22 Ufika u-Filipu, axelele u-Andreya; batî kanjalo o-Andreya no-Filipu baxelele u-Yesu.

23 Wabapêndula-ke u-Yesu esitî, Lifikile ilixa lokuba u-Nyana womntu azukiswe.

24 Inene, inene nditî kuni, Ukuba ukôzo lwenqôlowa oluwe emhlabeni alutânga lufe, lona luhlala ungabi nto; ke ukuba lutê lwafa, lutwala isiqâmo esininzi.

25 Lowo uwutândayo umpêfumlo wakê, wolahlekelwa nguwo; lowo uwutîyayo umpêfumlo wakê kwelihlabatî, wowulondolozela ubomi obungunapâkade.

26 Ukuba ubani utî andikônze, makandilandele; apô ndikôna mna woba kôn'apô nondikônzayo; ukuba umntu utî andikônze, u-Bawo wombeka.

27 Kukaloku-nje umpêfumlo wam ukâtâzekile, manditî-nina? Bawo, ndisindise kwelilixa. Hayi, ndizele kôna oku kwelilixa.

28 Bawo, lizukise igama lakô. Kweza ngoko izwi lipûma ezulwini, *lisitî,* Ndilizukisile, ndiya kubuya ndilizukise.

29 Indimbâne ngoko, eyayimi, yeva, yatî, liyaduduma. Abanye batî, Kutêtê isitûnywa sezulu kuye.

30 Wapêndula u-Yesu watî, Elizwi alibangakô ngenxa yam, libekô ngenxa yenu.

31 Kungoku ukugwetywa kwalo elihlabatî; kungoku umpâtî walo elihlabatî aya kukûtshelwa pândle.

32 Mna-ke, ukuba nditê ndapâkanyiswa emhlabeni, ndiya kubatsalela bonke kum.

33 (Wayesitsho-ke, eqondisa ukuba kufa kunina abeza kufa ngako.)

34 Yampêndula indimbâne yatî, Tina

[1] Umenzelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

sivile emtêtwẽni, ukuba u-Kristu [1] yena uhlala ngonapâkade, utsho nganina wena ukutî, U-Nyana womntu umelwe kukutî apâkanyiswe? Ungubanina lo-Nyana womntu?

35 Utê ngoko u-Yesu kubo, Selilifutshane ixesha lokuba ukânyiso lube nani; hambâni, nisenalo-nje ukânyiso, ukuze ubumnyama bunganiqubuli; lowo uhambâ ebumnyameni, akazi apô aya kôna.

36 Nisenalo-nje ukânyiso, kôlwani kulo ukânyiso, ukuze nibe ngabokânyiso.

Wazitêtâ u-Yesu ezizinto, wemka wabazimela.

37 Kekaloku, nakuba wayenze imiqondiso engaka pâmbî kwabo, abakôlwanga kuye,

38 Ukuze ilizwi lika-Yesaya um-profeti lizaliseke, awalitêtâyo *esitî:*

Nkosi, ngubanina okôliweyo ludaba lwetû?
Nengalo ye-Nkosi itŷileke kubanina? u-Yes. 53, 1.

39 Ngenxa yoku bebenge nakô ukukôlwa, ngokuba u-Yesaya ubuye atî:

40 Uwamfamekisile amehlo abo, uyiqaqadekisile nentliziyo yabo,
Hleze babone ngamehlo, baqiqe ngentliziyo,
Bajike,
Ndibapîlise. u-Yes. 6, 9. 10.

41 Ezizinto wazitêtâ u-Yesaya, oko wabubonayo ubuqaqauli bakê, watêtâ ngaye.

42 Noko-ke nakubo abapâtî into eninzi yakôlwa kuye; kodwa ngenxa yaba-Farisi yayingavumi *ngamlomo*, hleze ikûtshwe esikûngwinî;

43 Kuba batânda uzuko oluvela ebantwini ngapêzu kozuko oluvela ku-Tîxo.

44 Ke yena u-Yesu wadanduluka watî, Lowo ukôlwayo kum, akakôlwa kum, ukôlwa kulowo wanditûmayo.

45 Lowo undibonayo, ubona owanditûmayo.

46 Mna lukânyiso, ndifikile ehlabatîni, ukuze bonke abakôlwayo kum, bangahlali ebumnyameni.

47 Nokuba umntu utê weva amazwi-la am, akakôlwa, mna andimgwebi; kuba andize kuligweba ihlabatî, ndizê kulisindisa ihlabatî.

48 Lowo undigibayo, angawamkeli amazwi am, unaye omgwebayo; ilizwi endilîtêtîleyo lilo eliya kumgweba ngomhla wokugqibela.

49 Ngokuba mna ndingatêtânga okupûma kum; owanditûmayo, u-Bawo ngokwakê, nguye owandiwisela umtêtô wokuba nditî-nina, nokuba nditêtê nto-nina.

50 Ndiyazi nokwazi ukuba umtêtô wakê lowo bubomi obungunapâkade. Ngoko izinto endizitêtayo mna, njengoko u-Bawo andixeleleyo, ndenjenjalo ukuzitêtâ.

13 Kekaloku pâmbi komtêndeleko we-pasika, esazi u-Yesu ukuba lifikile ilixa lokuba anduluke kwelihlabatî aye ku-Yise, ebatândile abakê abasehlabatîni, wabatânda kwada kwa sekupêleni.

2 Kwakubakô isidlo sangokuhlwa (akubon' ukuba umtŷoli sel' ekufakile entliziyweni ka-Yuda Sikariyotî, oka-Simon, ukuba amnikele,)

3 Esazi u-Yesu ukuba u-Yise uzinikele zonke izinto ezandleni zakê, nokuba wapûma ku-Tîxo esiya ku-Tîxo,

4 Usuka esidlweni, azibeke pântsi ingubo zakê, atâbatê i-linen, abînqe;

5 Aze agalele amanzi esîtyeni sokuhlambêla, aqale ukuzihlambâ inyawo zabafundi, nokuzisula nge-linen abeyibînqile.

6 Uza-ke ku-Simon Petros; atî yena kuye, Nkosi, zihlanjwe nguwe-na inyawo zam?

7 Wapêndula u-Yesu, watî kuye, Endikwenzayo mna akukwazi wena okwangoku; kodwa wokuqonda kamva.

8 Atî u-Petros kuye, Akusayi kuzihlambâ inyawo zam napâkade. Umpêndule u-Yesu, *watî*, Ukuba anditânga ndikuhlambê, akunasabelo nam.

9 Atî u-Simon Petros kuye, Nkosi, Mazingabi zinyawo zam zodwa, mazibe zizandla nentloko.

10 Utî u-Yesu kuye, Kulowo uhlanjiweyo akusafuneki nto, selikukuhlanjwa kwenyawo zodwa, uhlambûlukile kwapêla; nani-ke nihlambûlukile, kodwa aninjalo nonke.

11 Kuba ebemazi lowo umnikelayo; ngenxa yoko watî, Anihlambûlukile nonke.

[1] Um-Tanjiswa, ngokunye u-Mesiya.

Digitized by Google

12 Ngoko xeshikweni ebezihlambîle inyawo zabo, wazitâbatâ ingubo zakê, wabuya wahlala pântsi, watî kubo, Niyayazi-na into endiyenzileyo kuni?
13 Nina ukundibiza nitî ndingu-Mfundisi, nitî ndiyi-Nkosi; niyalungisa ukutsho; kuba kunjalo.
14 Ngoko-ke ukuba ndizihlambîle inyawo zenu mna, ndiyi-Nkosi, ndingum-Fundisi, nani nifanele ukuhlambâna inyawo.
15 Kuba ndininike umzekelo, ukuze nani nenze, njengoko ndenze ngako mna kuni.
16 Inene, inene nditî kuni, Akukô mkônzi umkûlu kunenkosi yakê, namtûnywa umkûlu kunalowo umtûmileyo.
17 Ukuba niyazazi ezizinto, ninoyolo ukuba nitî nizenze.
18 Anditêtî ngani nonke; ndiyabazi abo mna ndibanyulileyo; oko kwenzeke ukuze isibâlo sizaliseke esitî: Lowo udla isonka nam undipâkamisele isitênde sakê.
19 Ndiqala kwa ngoku ukunixelela kungekehli, ukuze, xa kutê kwehla, nikôlwe ukuba ndinguye.
20 Inene, inene nditî kuni, Lowo wamkela enditê ndamtûma, wamkela mna; lowo wamkela mna-ke, wamkela owandiumayo.

21 Ezitêtîle u-Yesu ezizinto wakâtâzeka emoyeni *wakê*, wanqîna watî, Inene, inene, nditî kuni, omnye kuni aba uya kundinikela.
22 Baye ngoko abafundi bekângelana, betîngaza ukuba utêtâ banina.
23 Kekaloku bekwayame esifubeni sika-Yesu omnye umfundi wakê, obetândwa ngu-Yesu.
24 Unqwala ngoko u-Simon Petros kulowo, ukuba abuze ukuba angaba utêtâ banina.
25 Ezipôsile-ke yena esifubeni sika-Yesu, utî kuye, Nkosi, nguwupina?
26 Upêndule u-Yesu watî, Ngulowo ndiya kumnika mna iqêkeza, ndakuba ndilitê-nxu. Akulitî-nxu iqêkeza, walinika u-Yuda Sikariyoti, oka-Simon.
27 Waza emveni kweqêkeza-elo wangena u-Satana kuye lowo. Atî ngoko u-Yesu kuye, Okwenzayo, kwenze kamsinya.
28 Kekaloku bekungekô namnye kwababehleli naye esitêbeni ubesazi ukuba utsho nganina kuye.
29 Kuba abatîle, ekubeni inxôwa ibi ku-Yuda, bebeba, u-Yesu utî kuye, Tênga ezonto sizifunela umtêndeleko; mhlaumbî utî makawanike into amahlwempu.
30 Elitâbatîle ngoko yena iqêkeza, wapûma kwa oko, kwaye-ke kusebusuku.
31 Xeshikweni ngoko apûmileyo, utî u-Yesu, Kukaloku-nje u-Nyana womntu uzukisiwe, naye u-Tîxo uzukisiwe kuye.
32 Ukuba-ke u-Tîxo uzukisiwe kuye, no-Tîxo uya kumzukisa kuye ngokwakê, waye eya kumzukisa kwa ngoku.
33 Bantwana bam, selilifutshane ixesha lokuba ndibe nani. Niya kundifuna; njengoko senditê kuma-Yuda, Apô ndiya kôna mna, aninakô ukufika nina, nditsho nakuni ngoku.
34 Ndiniwisela umtêtô omtsha wokuba nitândane, njengoko ndinitândileye nina, ukuze nani nitândane.
35 Ngayo lento bayakwazi bonke, ukuba ningabafundi bam, ukuba nitê natândana.

36 Watî u-Simon Petros kuye, Nkosi, uya ngapîna wena? Umpêndule u-Yesu *watî*, Apô ndiya kôna, akunakundilandela kaloku-nje; wondilandela-ke kamva.
37 Utî u-Petros kuye, Nkosi, kunganina ukuba ndingabi nakô ukukulandela ngoku, ndiya kuwuncamela wena umpêfumlo wam.
38 Wampêndula u-Yesu *watî*, Wowuncamela mna-na umpêfumlo wakô? Inene, inene nditî kuwe, Ayisayi kulila inkuku, ungatânga undikânyele katâtû.

14 Intliziyo mayingakâtâzeki yenu; kôlwani ku-Tîxo, nikôlwe nakum.
2 Endlwini ka-Bawo zininzi indawo zokuhlala; ukuba bekunge njalo, ngendanixelelayo. Ndiyemka ndiya kunilungisela indawo;
3 Ukuba-ke ndimkile ndaya kunilungisela indawo, ndiya kubuya ndize ndinimkelele kum ngokwam; ukuze apô ndikôna mna, nibe kôna nani.
4 Apô-ke ndiya kôna mna niyakwazi nendlela niyayazi.
5 Uti u-Tomas kuye, Nkosi, asazi apô uya kôna; singatî-nina-ke ukuyazi indlela?

Digitized by Google

6 Utî u-Yesu kuye, Indlela, inyaniso, ubomi ndîm lo; akukô namnye uzayo ku-Bawo, engezi ngam.
7 Ukuba benindazile nma, ninge nimazile no-Bawo; ngoku-ke niyamazi, nimbonile nokumbona,
8 Atî u-Filipu kuye, Nkosi, sibonise u-Yihlo, kosanelisa.
9 Utî u-Yesu kuye, Ndinaxesha lingakanana ndinani-nje, akukandazi-na, Filipu? Lowo undibonileyo nma umbonile u-Bawo; utsho nganina-ke wena ukutî, Sibonise u-Yihlo?
10 Akukôlwa-na ukuba nma ndikuye u-Bawo, abe-ke u-Bawo ekum? Amazwi endiwatêtâyo nma kuni, andiwatêtî epûma kum; u-Bawo-ke ohleli kum nguye oyenzayo imisebenzi-le.
11 Kôlwani ndim, ukuba nma ndikuye u-Bawo, nokuba u-Bawo ukum; okanyeke kôlwani ndim ngenxa yayo imisebenzi leyo.
12 Inene, inene nditî kuni, Lowo ukôlwayo kum, imisebenzi endiyenzayo nma, uya kuyenza naye yena; nemikûlu kunalé uya kuyenza; ngokuba nma ndisiya kuye u-Bawo.
13 Nento enitê nayicela ngegama lam, ndoyenza yona, ukuze u-Yise azukiswe ngo-Nyana.
14 Ukuba nitê nacela into ngegama lam, ndoyenza nma.
15 Ukuba niyanditânda, yigcineni imitêtô yam.
16 Mna ndiya kucela ku-Bawo, aze aninike omnye um-Têtêleli, ukuze ahlale nani ngonapâkade;
17 U-Moya wenyaniso, lowo linge nakô ihlabatî ukumamkela, ngokuba lingamboni lingamazi nokumazi. Nina-ke niyamazi; ngokuba uhleli nani, kanjalo uya kuba kuni.
18 Andiyi kunishiya nizinkedama, ndiyeza kuni.
19 Selilifutshane ixesha, ukuze ihlabatî lingabi sandibona; ke nina niyandibona; ngokuba ndisidla ubomi mna, nani niya kudla ubomi.
20 Ngalomini niya kwazi nina ukuba ndikuye u-Bawo, nani nikum, nam ndikuni.
21 Lowo unayo imitêtô yam ayigcine, nguye onditândayo; lowo-ke unditândayo uya kutândwa ngu-Bawo; nam ndiya kumtânda, ndizibonakalalise kuye.
22 Atî kuye u-Yuda (inge nguye u-Sikariyoti), Nkosi, kutê-nina lento uza kuzibonakalalisa kutî, ungazibonakalalisi kulo ihlabatî?
23 Wapêndula u-Yesu watî kuye, Ukuba umntu uyanditânda, woligcina ilizwi lam; woti u-Bawo amtandê, size kuye sihlale naye.
24 Lowo unganditândiyo akawagcini amazwi am; ilizwi enilivayo asililo elam, lelika-Bawo owanditûmayo.

25 Ezizinto ndizitêtîle kuni ndisahleli nani.
26 Ke um-Têtêleli, u-Moya Oyingewele, aya kumtûma u-Bawo ngegama lam, yena uya kunifundisa zonke izinto, anikûmbûze zonke izinto endizitêtê kuni.
27 Ndishiya uxolo kuni, ndininika uxolo lwam; andinininiki njengokunika kwehlabatî. Mayingakâtâzeki intliziyo yenu, mayingabi nabugwala.
28 Nivile ukuba nditê nma kuni, Ndiyemka, ndibuye ndize kuni; ukuba beninditânda, ngenavuyayo kuba ndatî, Ndiya ku-Bawo; ngokuba u-Bawo nkûlu kunam.
29 Ngoku-ke ndinixelele kungekehli, ukuze, xa kutê kwehla, nikôlwe.
30 Andisayi kuba satêtâ zinto zininzi nani; kuba esiza umpâtî welihlabatî enge nanto nam;
31 Ke, ukuze liqonde ihlabatî ukuba ndiyamtânda u-Bawo, ndenza njengoko u-Bawo andiwisele umtêtô. Ndîtî, Vukani, simke apâ.

15 Mna ndingum-diliya wenyaniso, umlimi wawo-ke ngu-Bawo.
2 Amasebe onke akum angatwâli siqâmo, uyawasusa; onke atwâla isiqâmo uyawatêna, ukuze atwâle isiqâmo ngakumbî.
3 Nina senihlambûlukile ngenxa yelizwi endilitêtîleyo kuni.
4 Hlalani kum, mna *ndihlale* kuni. Njengokuba isebe linge nakô ukutwâla isiqâmo ngokwalo, lingahlalanga em-diliyeni; ngokunjalo aninakô nani, ningahlalanga kum.
5 Um-diliya ndim, nina ningamasebe; lowo uhleli kum, ndibe mna ndihleli kuye, yena utwâla isiqâmo esininzi; ngokuba ninge kum aninakwenza nto.
6 Ukuba umntu utê akahlala kum, u-

Digitized by Google

lahlelwa pándle njengesebe, ome; baze abantu bawabutê, bawapôse emlilweni, atshiswe.

7 Ukuba nitê nahlala kum, namazwi am ahlala kuni, nocela into enisukuba niyitânda, niyenzelwe.

8 Uzukiswa u-Bawo ngalento yokuba nitŵala isiqâmo esininzi; niya kuba ngabam abafundi-ke.

9 Njengoko u-Bawo wanditândayo, nam ndanitânda. Hlalani-ke elutândweni lwam.

10 Ukuba nitî niyigcine imitêtô yam, hlalani elutândweni lwam; njengokuba mna ndayigcinayo imitêtô ka-Bawo, ndahlala elutândweni lwakê.

11 Ezizinto ndizitêtîle kuni, ukuze uvuyo lwam luhlale kuni, lutî novuyo lwenu luzaliseke.

12 Nguwo lo umtêtô wam wokuba nitândane njengoko ndanitândayo nina.

13 Akukô namnye unalo utândo olungapêzu kolu, lokuba ubomi bakê awuncamele izihlobo zakê.

14 Nizihlobo zam nina, ukuba nitî nikwenze konke endinimisela kôna mna.

15 Andisatsho ukutî ningabakônzi; ngokuba umkônzi akakwazi okwenziwa yinkosi yakê; mna-ke nditê nizihlobo; ngokuba zonke izinto, endaziva ku-Bawo, ndanazisa zona.

16 Asinini enanyula mna, ndim owanyula nina, ndanimisela, ukuze niye nitŵale isiqâmo, nokuze isiqâmo senu sîhlale; ukuze oko enitê nakucela ku-Bawo ngegama lam nikunikwe.

17 Ndiniwisela lomtêtô wokuba nitândane.

18 Ukuba ihlabatî linitîyile, yazini ukuba linditîyê kuqala kunani.

19 Ukuba beningabehlabatî, ihlabatî ngelikutânda okwalo; ke ngokuba ninge ngabehlabatî, ndaninyulayo mna kulo ihlabatî, ngenxa yoko linitîyile ihlabatî.

20 Likûmbûleni ilizwi endalitêtâyo mna kuni, elitî, Akukô mkônzi umkûlu kunenkosi yakê. Ukuba banditshutshisa mna, bonitshutshisa nani; ukuba ilizwi lam baligcina, nelenu boligcina.

21 Ke ezizinto zonke baya kuzenza kuni ngenxa yegama lam, ngokuba bengamazi owanditûmayo.

22 Ukuba bendingezanga ndatêtâ kubo, ngebengabanga nasono; ngoku abanasikûselo sesono sabo.

23 Lowo utîye mna, utîye no-Bawo.

24 Ukuba bendingenzanga pâkatî kwabo imisebenzi, engenziwanga mntu wumbî, ngebengabanga nasono; kaloku-ke babonile, noko banditîyile mna no-Bawo.

25 Kwenzeke, ukuze lizaliseke ilizwi elibâliweyo emtêtweni wabo, elitî: Banditîya kungekô sizatu.

26 Kodwa xa atê wafika um-Têtêleli, endiya kumtûma mna kuni evela ku-Bawo, u-Moya wenyaniso opûma ku-Bawo, yena wonqîna ngam.

27 Nani-ke niyanqîna, ngokuba beninam kwasekuqaleni.

16 Ezizinto ndizitêtîle kuni, ukuze ningakûtyekiswa.

2 Baya kunigxota esikûngwini; ewe, kuza ilixa lokuba bonke abanibulalayo, babe bona bakônza u-Tîxo.

3 Ezozinto baya kuzenza kuni, ngokuba bengamazanga u-Bawo kwanam.

4 Ezizinto ndizitêtîle kuni, ukuze, xa litê lafika ilixa, nizikûmbûle ukuba mna ndandinixelele. Ezizinto-ke andinixelelanga kwasekuqaleni, ngokuba bendinani.

5 Ngoku-ke ndiyemka, ndiya kowanditûmayo; akukô namnye kuni undibuzayo, ati, Uya pîna!

6 Ngokuba-ke ezizinto ndizitêtîle kuni, intlungu ziyizalisile intliziyo yenu.

7 Noko-ke mna ndinixelela inyaniso: kunilungele ukuba ndimke; kuba ndingemkanga, um-Têtêleli akayi kuza kuni, ke nditê ndemka, ndiya kumtûmela kuni.

8 Efikile-ke uya kulohlwaya ihlabatî lidane ngenxa yesono, nangenxa yobulungisa, nangenxa yomgwebo;

9 Ngenxa yesono, ngokokuba bengakôlwa kum;

10 Ngenxa yobulungisa, ngokokuba ndisiya ku-Bawo, ize ningabi sandibona;

11 Ngenxa yomgwebo, ngokokuba umpâtî welihlabatî egwetyiwe.

12 Ndisenezinto ezininzi zokutêtâ kuni, kodwa aninakô ukuzitŵala ngoku.

13 Xa-ke atê wafika yena, u-Moya wenyaniso, uya kunikôkelela kuyo yonke inyaniso; kuba engayi kutêtâ okupûma kuye, uya kutêtâ izinto atê waziva, anibikele izinto ezizayo.

14 Yena uya kundizukisa; ngokuba eya kwamkela kokukokwam, aze anibikele-ke.

Digitized by Google

15 Zonke ezonto anazo u-Bawo zezam; ngenxa yoko ndatî, uya kwamkela kokukokwam, aze anibikele.

16 Selilixesha elifutshane, ize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nibuye nindibone, ngokuba mna ndiya ku-Bawo.

17 Itê ngoko inxenye yakubafundi bakê pâkatî kwayo, Yinto-nina le ayitêtâyo kutî, *atî*, Selilixesha elifutshane, nibuye ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nize nindibone, nokutî, Mna ndiya ku-Bawo.

18 Babesitî ngoko, Yinto-nina le ayitêtâyo, *atî*, Lixesha elifutshane? Asiyazi into ayitêtâyo.

19 Wazi ngoko u-Yesu ukuba babetânda ukumbuza, watî kubo, Nibuzana ngalento-na yokuba nditê, Selilixesha elifutshane, nize ningandiboni; kubuye kube lixesha elifutshane, nibuye nindibone?

20 Inene, inene nditî kuni, niya kulila nihlahlambê, ke lona ihlabatî liya kuvuya; niya kuxâlaba nina, ke ukuxâlaba kwenu kuya kuba luvuyo.

21 Umfazi xa aza kuzala, uyaxâlaba, ngokuba ilixa lake lifikile; xa atê-ke wazala umntwana, akabi sayikûmbûla lombândezelo ngenxa yovuyo lokuba kuzelwe umntu ehlabatîni.

22 Nani ke-ngoko nixâlabile ngoku-nje; kodwa ndobuya ndinibone, yaye iya kuvuya intliziyo yenu, novuyo lwenu akukô namnye uya kuluhlutâ kuni.

23 Nangalomini anikundibuza nto. Inene, inene ndîtî kuni, Zonke izinto enitê nazicela ku-Bawo ngegama lam, woninika.

24 Kude kwangoku-nje anikaceli nto ngegama lam; celani, niya kwamkela, ukuze uvuyo lwenu luzaliseke.

25 Ezizinto ndizitêtîle kuni ngokuntsonkota; kuza ilixa endingasayi kubasatêtâ kuni ngokuntsonkota; ndiya kunibikela ngokusekuhleni ngaye u-Bawo.

26 Ngalomini niya kucela ngegama lam; anditsho kuni ukutî, ndiya kunicelela ku-Bawo:

27 Kuba u-Bawo ngokwakê uyanitânda; ngokuba nina ninditândile, nakôlwa ukuba mna ndapûma ku-Tîxo.

28 Ndapûma ku-Bawo, ndeza ehlabatîni; ndibuya ndilishiye ihlabatî; ndiya ku-Bawo.

29 Batî kuye abafundi bakê, Uyabona, ngoku utêtâ ngokusekuhleni, akutêtî nto ngakuntsonkota.

30 Ngoku siyazi, ukuba uyazazi zonke izinto, akusafuneki kuwe ukuba ubani akubuze nto; ngalonto siyakôlwa ukuba wapûma ku-Tîxo.

31 Wabapêndula u-Yesu watî, Niyakôlwa-na ngoku?

32 Yabonani, kuza ilixa, nakaloku lifikile lokuba nicîtwe, elowo aye kowâbo, nindishiye ndedwa; ukanti andindedwa, ngokuba u-Bawo unam.

33 Ezizinto ndizitêtîle kuni, ukuze nibe noxolo kum. Ehlabatîni niya kuba nembândezelo; yomelelani, mna ndiloyisile ihlabatî.

17 Ezizinto wazitêtâ u-Yesu, wawapâkamisa amehlo akê *wakângela* ezulwini, wati, Bawo, lifikile ilîxa; mzukise unyana wakô, ukuze nonyana wakô akuzukise.

2 Njengokuba wamnika igunya kubantu bonke, ukuze bonke omnike bona, abanike ubomi obungunapâkade.

3 Bubo-ke obu ubomi obungunapâkade, ukuba mabakwazi wena ukupêla ko-Tîxo oyinyaniso, naye u-Yesu Kristu omtûmileyo.

4 Mna ndikuzukisile emhlabeni, ndiwufezile umsebenzi obundinikile ukuba ndiwenze.

5 Ndizukise-ke ngoku wena Bawo, kuwe ngokwakô, ngozuko ebendinalo kuwe lingekabikô ihlabatî.

6 Ndilibonakalisile igama lakô kubo abantu obundinikê bona bepûma ehlabatîni; bebe ngabakô, wabanika mna, ilizwi lakô balibambîle-ke.

7 Ngoku baqondile, ukuba zonke izinto ondinikê zona zivela kuwe.

8 Ngokuba amazwi ondinikê wona ndiwanike bona; bona bawatâbatâ, baqonda ngokwenyaniso ukuba ndapûma kuwe; bakôlwa ukuba wena wanditûma.

9 Mna ndicelela bona; andiceleli lona ihlabatî, ndicelela abo undinike bona; ngokuba bengabakô.

10 Into zonke ezizezam zezakô, zibe ezakô zizezam; ndizukisekile-ke kubo.

11 Andisekôna ehlabatîni, ke bona basesehlabatîni, mna ndiza kuwe. Bawo oyingcwele, balondolozele egameni lakô a-

Digitized by Google

bo undinikē bona, ukuze babe banyè njengatí.

12 Oko bendinabo ehlabatíni mna, bendibalondolozele ègameni lakô; owandinika bona ndibagcinile, akukô namnye kubo otshabaleleyo, inge nguye lowo wentshabalalo, ukuze isibâlo sizaliseke.

13 Ngoku-ke ndiza kuwe; nezizinto ndizitêtâ ehlabatíni, ukuze babe nalo uvuyo lwam luzaliseke kubo.

14 Mna ndibanikē ilizwi lakô; laza ihlabatí labatíya, ngokuba benge ngabo abehlabatí, njengokuba nam ndinge nguye owehlabatí.

15 Andiceli ukuba ubasuse ehlabatíni; ndicela ukuba ubagcine kuyo inkohlakalo.

16 Abangabo abehlabatí, njengokuba nam ndinge nguye owehlabatí.

17 Bangcwalise ngayo inyaniso yakô; ilizwi lakô liyinyaniso.

18 Njengokuba wanditûma ehlabatíni, nam ndibatûme bona ehlabatíni.

19 Ngenxa yabo-ke ndiyazingcwalisa mna, ukuze nabo babe ngabangcwalisiweyo yinyaniso.

20 Andiceleli-ke aba bodwa, ndicelela nabo baya kukôlwa kum ngelizwi labo;

21 Ukuze bonke babe banye; njengokuba wena, Bawo, ukum, mna ndikuwe, ukuze nabo babe banye kutí; ukuze ihlabatí likôlwe ukuba wena wanditûma.

22 Uzuko owandinika lona, ndilunike bona; ukuze babe banye, njengokuba tína siba-nye;

23 Mna ndikubo, wena ukum, ukuze babe ngabazalisekileyo ntweni-nye; ukuze liqonde ihlabatí ukuba wena unditûmile, wabatânda, njengokuba wanditândayo nam.

24 Bawo, nditânda ukuba nabo abo undinikē bona, babe nam, apô ndikôna inna; ukuze balubone uzuko lwam owandinika lona; ngokuba wanditânda kwa pâmbí kokusekwa kwehlabatí.

25 Bawo olilungisa, ihlabatí lona alikwazanga, ke mna ndikwazile; naba batê bazi ukuba wena unditûmile;

26 Ndabazisa igama lakô, ndandiya kubazisa; ukuze utândo onditânde ngalo lube kubo, nam ndibe kubo.

18 Akuzitêtâ u-Yesu ezizinto, wapûma nabafundi bakê, waya pêsheya komlanjana oyi-Kidron, apô kwakukô umyezo, awangena kuwo yena nabafundi bakê.

2 Ubeyazi-ke no-Yuda, lowo umnikelayo, indawo leyo; kuba u-Yesu ubesakubutâ futi kôn'apô nabafundi bakê.

3 Atí ngoko u-Yuda, etâbatê ibutô lamasoldati nama-dindala kubabingeleli' abakûlu naba-Farisi, eze kôna enezikânyiso nezibane nentonga.

4 Ezazi ngoko u-Yesu zonke izinto ezimzelayo, wapûma, watí kubo, Nifuna banina?

5 Bampêndula batí, U-Yesu um-Nazarete. Atí kubo u-Yesu, Ndinguye. Wabemi-ke nabo u-Yuda, lowo umnikelayo.

6 Akutsho ngoko kubo ukutí, Ndinguye, bahlehla, bawa emhlabeni.

7 Wabuya-ke wababuza esitl, Nifuna banina? Batí-ke bona, U-Yesu um-Nazarete.

8 Wapêndula u-Yesu watí, Ndinixelele ukuba ndinguye; ukuba ngoko nifuna mna, bayekeni aba bemke;

9 Ukuze lizaliseke ilizwi awalitêtâyo elití; Kwabo undinikē bona, andilahlekwanga namnye.

10 Utê ngoko u-Simon Petros enelele, walifola, wamxabela umkônzi wombingeleli' omkûlu, wamnqamla indlebe yokunene; laye igama lomkônzi lowo lingu-Malko.

11 Utê ngoko u-Yesu ku-Petros, Lifake ilele lakô esinxôtyeni *salo;* indebe andinikileyo u-Bawo andisayi kuyisela-na?

12 Ibutô ngoko *lama-soldati* nomtêteli-waka nama-dindala ama-Yuda bambamba u-Yesu, bambopâ,

13 Bamfolela ku-Anas kuqala; kuba waye ngusomfazi ku-Kayafa obe ngumtongeleli' omkûlu ngalomnyaka.

14 Kekaloku u-Kayafa waye ngulowo wabûnga nama-Yuda ngokutí, Kuyinto elungileyo, ukuba umntû omnye atshabalale ngenxa yabantu.

15 Kekaloku u-Simon Petros wayemlndela u-Yesu, naye omnye umfundi; kumfundi-ke wayesazeka kumbingeleli' omkûlu, wangena no-Yesu entendelezweni yombingeleli' omkûlu.

16 U-Petros-ke ubemi ngasesangweni ngapândle. Wapûma-ke omnye umfundi,

1 Abenzelelell kwi-Test. endala, ngokunye aba-prista.

Digitized by Google

lowo ubesazeka kumbingeleli' omkûlu, watêtâ nomgcini-sango, wamngenisa u-Petros.

17 Sitî ngoko isicakazana esingumgcini-sango ku-Petros, Ingaba nawe ungowabafundi balomntu yinina? Atî yena, Andinguye.

18 Kekaloku kwakumi kôna abakônzi nama-dindala bebase umlilo wamalahle, ngokuba bekubanda; bamana besotâ, waye ke u-Petros emi nabo esotâ.

19 Umbingeleli' omkûlu ngoko wambuza u-Yesu ngabafundi bakê nangayo imfundiso yakê.

20 Wampêndula-u-Yesu watî, Mna ndatêtâ ngokungafihlisiyo kulo ihlabatî; mna bendihleli ndifundisa endlwini yesikûngu nase-tempileni, apô ama-Yuda ebesakubutêlana kôna evela kumacala onke; emfihlekweni anditêtânga nto.

21 Yinina ukuba ubuze kum? buza kwabo bayivileyo into endayitêtâ kubo; uyabona, aba bayakwazi oko ndakutêtâyo.

22 Kekaloku, akubon' ukuba utshilo, elinye lama-dindala elalimi kôna lammonxoza u-Yesu, latî, Wenje nje-na ukumpêndula umbingeleli' omkûlu?

23 Walipêndula u-Yesu watî, Ukuba nditêtê kakubi, nqînela ububi obo; kodwa ukuba nditêtê kakuhle, undibetêla-nina?

24 U-Anas wayemtûmele ebotshiwe ku-Kayafa umbingeleli' omkûlu.

25 Kekaloku, u-Simon Petros wayemi esotâ, batî ngoko kuye, Ingaba nawe ungowabafundi bakê yinina? Wakânyela yena watî, Andinguye.

26 Atî omnye umkônzi wombingeleli' omkûlu, osisalamane salowo u-Petros wamnqamla indlebe, Andikubonanga mna yinina emyezweni unaye?

27 Wabuya-ke wakânyela u-Petros. Yasuka yalila kwa oko inkuku.

28 Bamsusa ngoko u-Yesu ku-Kayafa, bamsa kwindlu ye-fuluneli; bekukusasake oko; bona abangenanga endlwini ye-fuluneli, ukuze bangadyobeki, ukuze bayidle i-pasika.

29 Wapûma-ke u-Pilato waya kubo, watî, Nimisa tyala linina kuye lomntu?

30 Bapêndula batî kuye, Ukuba ebenge nguye umenzi wobubi yena, singe singamnikelanga kuwe.

31 Watî ngoko u-Pilato kubo, Mtâbatêni nina, nimgwebe ngesiko lenu. Atî ngoko ama-Yuda kuye, Akuvumelekile kutî ukuba sibulale umntu;

32 Ukuze ilizwi lika-Yesu lizaliseke, awalitêtâyo, eqondisa ukuba kufa kunina abeza kufa ngako.

33 Wabuya ngoko wangena u-Pilato endlwini ye-fuluneli, wambiza u-Yesu watî kuye, Wena unguye-na u-Kumkani wama-Yuda?

34 Umpêndule u-Yesu, *watî*, Uyitêtâ lento ipûma kuwe, wayixelelwa ngabanye ngam, sinina?

35 Wapêndula u-Pilato watî, Kanene, mna ndingum-Yuda-na? Luhlanga lwakowenu nababingeleli' abakûlu abakunikeleyo kum; wenze nto-nina?

36 Wapêndula u-Yesu watî, Ubukumkani bam asibubo obelihlabatî; ukuba bebububo obelihlabatî ubukumkani bam, amakônza am nge ezama, ukuze ndinganikelwa kuma-Yuda; ngoku-ke ubukumkani bam asibobalapâ.

37 Watî-ke u-Pilato kuye, Hina-ke, ungukumkani-na wena? Wapêndula u-Yesu *watî*, Nawe utî, Ndingukumkani. Mna ndizalelwe oku; ndizele oku ehlabatîni, ukuze ndiyinqînele inyaniso. Bonke abangabenyaniso bayaliva izwi lam.

38 Atî u-Pilato kuye, Yinto-nina yona inyaniso?

Akuba etshilo, wabuya wapûma waya kuma-Yuda, atî kuwo, Mna andifumani nalinye ityala kuye.

39 Kekaloku ninesiko lokuba ndinikûlulele abe mnye nge-pasika, ninga-ke ndinganikûlulela u-Kumkani wama-Yuda-na?

40 Babuya ngoko bonke banqangaza besitî, Mayingabi nguló, mayibe ngu-Barabas. Waye-ke u-Barabas-lo esihange.

19 Waza ngoko u-Pilato wamtâbatâ u-Yesu, wamtyakatya.

2 Ama-soldati eluke isitsaba ngameva, asibeka pêzu kwentloko yakê, amtî-wambû ngengubo ebomvu,

3 Amana esitî, A, Kumkani wama-Yuda! ammonxoza.

4 Wabuya ngoko wapûma pândle u-Pi-

1 Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

1 Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

lato, watí kubo, Yabonani ndimzisa pândle kuni, ukuze nazi ukuba andifumani nalinye ityala kuye.

5 Wapûma pândle ngoko u-Yesu, enxibe isitsaba sameva nengubo ebomvu; atí u-*Pilato* kubo, Nanko umntu!

6 Batê ngoko, bakumbona ababingeleli[1] abakûlu nama-dindala, banqangaza, besitί, Mbetêle emnqamlezweni, mbetêlê emnqamlezweni! Atí kubo u-Pilato, Mtâbatêni nina, nimbetêle emnqamlezweni; kuba mna andifumani tyala kuye.

7 Ampêndula ama-Yuda atí, Tína sinomtêtô, ngomtêtô wetû-ke ufanele ukufa, ngokuba ezenze u-Nyana ka-Tíxo.

8 Utê ngoko u-Pilato, akuliva elozwi, woyika ngakumbí.

9 Wabuya wangena endlwini ye-ɬuluneli, watí ku-Yesu, Ungowapína wena? Ke u-Yesu akampêndulanga.

10 Atí ngoko u-Pilato kuye, Akutêtí-na kum? akwazi-na ukuba ndinegunya lokukubetêla emnqamlezweni, nokuba ndinegunya lokukukûlula?

11 Upêndule u-Yesu *watí*, Nge unge nagunya nakanye kum, ukuba ubungalinikwanga livela pêzulu; ngenxa yoko ondinikeleyo kuwe unesono esikûlu ngakumbí.

12 Ngenxa yoko wayefuna u-Pilato ukumkûlula; kodwa ama-Yuda ayenqangaza esitί, Ukuba utê wamkûlula lo, akusihlobo sika-Kesare; bonke abazenza ukumkani bacâsa u-Kesare.

13 Elivile ngoko u-Pilato elilizwi, wamzisa pândle u-Yesu, wahlala esihlalweni sokugweba kwindawo ekutíwa, Sisandlalo samatye, ke ngesi-Hebere yi-Gabata.

14 Kekaloku, kwakuyimini yokulungiselela i-pasika, ilixa-ke ngatí belilelesitândatû, atí kuma-Yuda, Nanko u-Kumkani wenu!

15 Ke wona anqangaza esitί, Susa, susa, mbetêle emnqamlezweni! Atí u-Pilato kuwo, Ndimbetêle emnqamlezweni-na u-Kumkani wenu? Bapêndula ababingeleli ' abakûlu *batí*, Tína asinakumkani unge nguye u-Kesare.

16 Wandula ngoko ukumnikela kubo, ukuze abetêlwe emnqamlezweni.

17 Bamtâbatâ-ke u-Yesu, bemka naye. Etwele umnqamlezo wakê, wapûma waya endaweni ekutíwa, Yeyo-Kakayi, ekutíwa ngesi-Hebere yi-Golgota,

18 Apô bambetêla kôna emnqamlezweni, nabanye abangabambí bebabini naye ngenxa zombíni, u-Yesu-ke epâkatí.

19 Kekaloku u-Pilato wabâla nombâlo, wawubeka pêzu komnqamlezo. Kwayeke kubâliwe kwatíwa: U-YESU WASE-NAZARETE, UKUMKANI WAMA-YUDA.

20 Lombâlo ngoko into eninzi yama-Yuda yawulesa; ngokuba indawo u-Yesu awayebetêlelwe kuyo emnqamlezweni yayikûfupí nomzi; kwaye-ke kubâliwe ngesi-Hebere nangesi-Grike nangesi-Roma.

21 Babesitί ngoko ku-Pilato ababingeleli[1] abakûlu bama-Yuda, Mus' ukubâla *utí*, U-Kumkani wama-Yuda; bâla uti. Watí yena, Ndingu-Kumkani wama-Yuda.

22 Wapêndula u-Pilato watí, Endikubâlileyo ndikubâlile.

23 Atê ngoko ama-soldati, xa abembetêle emnqamlezweni u-Yesu, azitâbatâ ingubo zakê, enza izabelo ezine, laelo isoldati lanesabelo; kwa nengubo yangapântsi; kekaloku, ingubo yangapântsi yabinge namtûngo, yayilukiwe ipêla itâbatêle pêzulu.

24 Atshono ngoko ukutí, Masingayiɬazuli, masiqashise ngayo ukuba yoba yekabanina; ukuze isibâlo sizaliseke esitί:

Babelana ngengubo zam,
Benza amaqashiso ngesambâtô sam.

in-Dum. 22, 18.

Ama-soldati-ke ngoko azenza ezizinto.

25 Kwakumi-ke ngasemnqamlezweni kaYesu unina, nomsakwabo bonina, u-Mariya umka-Kleyopa, no-Mariya wase-Magadala.

26 U-Yesu ngoko, akumbona unina, naye umfundi abemtânda emi kôna, utí kuye unina, Mfazindini, nanko unyana wako!

27 Andule atí kumfundi lowo, Nanko unyoko! Watí kwa kwelolixa umfundi lowo wamtâbatâ wamsa kwikâya lakê.

28 Emveni koko u-Yesu, esazi ukuba zonke izinto sezifezekile, ukuze sifezeke isibâlo, watí, Ndinxaniwe.

29 Bekumi-ke isitya sizele yi-viniga: bazalisa-ke bona imfunxa nge-viniga, bayibeka pêzu kwe-hisope, bayisa emlonyeni wakê.

30 Xa ngoko u-Yesu wabeyamkele i-vi-

[1] Abenzelelí kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Abenzelelí kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

niga, watĩ, Kugqityiwe! watôba intloko, wawunikela umoya wakê.

31 Ama-Yuda ngoko, ukuze imizimbâ ingahlali emnqamlezweni nge-sabatâ, ekubeni yayiyimini yokulungiselela *i-sabatâ* (kuba lo-sabatâ ibi ngumhla omkûlu), acela ku-Pilato ukuba imilenze yabo yapûlwe, basuswe.

32 Eza ngoko ama-soldati, ayapûla okunene imilenze yowokuqala, neyomnye obebetêlwe emnqamlezweni naye;

33 Kodwa akufika ku-Yesu, akubon' ukuba usel' efile, akayapûlanga imilenze yakê.

34 Lesuka elinye i-soldati lamhlaba ngomkônto ecaleni; kwa oko kwapûma igazi namanzi.

35 Nalowo ubonileyo unqĩnile, nobunqĩna bakê buyinyaniso; naye yena uyazi ukuba utêtâ inyaniso, ukuze nani nikôlwe.

36 Kuba zenzeka ezizinto, ukuze isibâlo sizaliseke esitĩ: Akuyi kutyunyuzwa tâmbô lakê.

37 Kanjalo nesinye isibâlo esitĩ: Baya kukângela lowo bamhlabileyo.

38 Kekaloku emveni koko u-Yosefu wase-Arimati (engumfundi ka-Yesu, ke enguye ngokufihlakeleyo ngenxa yokoyika ama-Yuda), wacela ku-Pilato, ukuba awususe umzimbâ ka-Yesu; waza u-Pilato wavuma; weza-ke wawususa umzimbâ ka-Yesu.

39 Kwafika-ke no-Nikodemo, (lowo wezayo ku-Yesu ebusuku ekuqaleni) epêtê impĩtikezo ye-more nekâla, ngatĩ izi-ponti ezilikûlu, *ngobunzima*.

40 Bawutâbatâ-ke umzimbâ ka-Yesu, bawubopâ ngezisongelo ze-linen ndawonye nobulawu, njengoko kulisiko lokuncwaba kuma-Yuda.

41 Kekaloku, bekukô kulondawo abebetêlwe kuyo emnqamlezweni umyezo; nasemyezweni apô bekukô incwaba elitsha ekungazanga kubekwe umntu kulo.

42 U-Yesu ngoko bambeka kôn'apô ngenxa yemini yokulungiselela kwama-Yuda; ngokuba incwaba belikufupĩ.

20 Kekaloku ngolokuqala usuku lweveki kuza encwabeni u-Mariya wase-Magadala kusasa, kusentsundu, alibone ilitye lisusiwe encwabeni.

2 Agidime ngoko, eze ku-Simon Petros nakomnye umfundi lowo ubetândwa ngu-Yesu, atĩ kubo, Bayisusile i-Nkosi encwabeni, asazi nalapô bayibeke kôna.

3 Wapûma ngoko u-Petros nomnye umfundi-lowo, besiya encwabeni.

4 Kekaloku, baye begidima bona bobabini kunye; waza omnye umfundi-lowo wamshiya ngamendu u-Petros, wafika kuqala encwabeni;

5 Atĩ akuqondela azibone izisongelo zelinen abesongelwe kuzo zizodwa; akangenanga-ke noko.

6 Afike ngoko u-Simon Petros emlandela, angene encwabeni, azibone izisongelo ze-linen abesongelwe kuzo zizodwa,

7 Neqiya ebi sentloko yakê, ingadibene ne-linen abesongelwe kuzo, isongiwe yodwa ndaweni itîle.

8 Wandula ngoko wangena nomnye umfundi, lowo ubefike kuqala encwabeni, wabona, wakôlwa;

9 Kuba bebengekasazi isibâlo esiti: Umelwe kukutĩ avuke kwabafileyo.

10 Babuya ngoko abafundi bagoduka.

11 Kekaloku u-Mariya ebemi ngapândle ngasencwabeni elila; xa-ke ebelila, waqondela encwabeni.

12 Wabona izitûnywa zezulu ezibini *zambêtê* ezimhlope, zihleli; esinye ngasentloko, esinye ngasezinyaweni, apô wawulele kôna umzimbâ ka-Yesu.

13 Zitĩ zona kuye, Mfazindini, ulilelanina? Atĩ kuzo, Bayisusile i-Nkosi yam; andazi apô bayibeke kôna.

14 Akutsho wajika, wambona u-Yesu emi, wayengazi-ke ukuba ngu-Yesu.

15 Atĩ u-Yesu kuye, Mfazindini, ulilelanina? ufuna banina? Yena esiba ngumgcini-myezo, utĩ kuye, Nkosi, ukuba umsusile apâ, ndixelele apô umbeke kôna, mna ndiye kumtâbatâ.

16 Atĩ u-Yesu kuye, Mariya. Wajika yena watĩ kuye, Rabôni, (oku kukutĩ, Mfundisi).

17 Atĩ u-Yesu kuye Ungandicûkumisi; kuba andikanyuki ndiye ku-Bawo; ke yiya kubazalwana bam, utĩ kubo, Ndiyenyuka ndiya ku-Bawo, ku-Yihlo; ku-Tĩxo wam, ku-Tĩxo wenu.

18 Afike u-Mariya wase-Magadala, ababikele abafundi ukuba uyibonile i-Nkosi; yatêtâ ezizinto kuye.

19 Kwakuhlwa ngoko ngolokuqala usu-

Digitized by Google

ku lwe-veki, zakubon' ukuba ingcango zivaliwe apô babehlanganisene kôna abafundi, ngenxa yokoyika ama-Yuda, wafika u-Yesu wema pâkatî, watî kubo, Uxolo malube nani.

20 Akutsho, wababonisa izandla necala lakê. Bavuya ngoko abafundi bakuyibona i-Nkosi.

21 Wapînda ngoko u-Yesu watî kubo, Uxolo malube nani; njengokuba u-Bawo enditûmile mna, nam ndiyanitûma nina.

22 Akutsho wabapêfumlela, watî kubo, Yamkelani u-Moya Oyingcwele;

23 Abazono nitê nazixolela, bazixolelwe; nabazono nitê nazibambâ, zibambêkile.

24 Kekaloku u-Tomas, omnye kwabalishumi elinababini, okutîwa ngu-Didimo, wayenge nabo oko wafikayo u-Yesu.

25 Babesitî ngoko kuye abanye abafundi, Siyibonile i-Nkosi; watî-ke yena kubo, Ukuba anditânga ndilibone inxeba lezikônkwane ezandleni zayo, ndiwufake umnwe wam enxebeni lezikônkwane, ndisifake isandla sam ecaleni layo, andisokukôlwa.

26 Baye emveni kwentsuku ezisibôzo bekwangapâkatî abafundi bakê, waye nabo no-Tomas. Afike u-Yesu, zakubon' ukuba zivaliwe ingcango, eme pâkatî, atî, Uxolo malube nani.

27 Andule atî ku-Tomas, Etê apâ umnwe wakô, uzibone izandla zam; etê isandla sakô, usifake ecaleni lam; musa ukuba ngongakôlwayo, yiba ngokôlwayo.

28 Upêndule u-Tomas, watî kuye, Nkosi yam, Tixo wam!

29 Atî u-Yesu kuye, Ngokuba undibonile, Tomas, nkôliwe. Banoyolo abo bangabonanga, bakôlwa noko.

30 Mininzi-ke okunene neminye imiqondiso awayenzayo u-Yesu emehlweni abafundi bakê, engabâlwanga kuyo lencwadi;

31 Kodwa le ibâlelwe ukuze nikôlwe ukuba u-Yesu unguye u-Kristu u-Nyana ka-Tixo, nokuze nitî nikôlwa nibe nabo ubomi ngegama lakê.

21 Emva koko wapînda u-Yesu wazibonakalalisa kubafundi ngaselwandle lwase-Tiberiya. Wenje nje-ke ukuzibonakalalisa.

2 Babe-ndawo-nye u-Simon Petros no-Tomas okutîwa ngu-Didimo, no-Natanyeli wase-Kana yelase-Galili, nabaka-Zebedi, nabanye kubafundi bakê bebabini.

3 Atî u-Simon Petros kubo, Ndiya kubambîsa *intlanzi*. Batî kuye, Natî siyaya nawe. Bapûma bangena emkônibêni kwa oko. Ngobobusuku ababambi nto.

4 Kekaloku, kwakuba sekusile, wema u-Yesu elunxwemeni, noko abafundi bebengazi ukuba ngu-Yesu.

5 Atî ngoko u-Yesu kubo, Bantwana, aninanto idliwayo-na? Bampêndula batî, Hayi.

6 Watî-ke yena kubo, Wupôseni umnatâ ngecala lasekunene lomkônibê, nofumana. Bapôsa-ke; ababi saba nakô ukuwutsala ngenxa yenkîta yentlanzi.

7 Atî ngoko lomfundi ubetândwa ngu-Yesu ku-Petros, Yi-Nkosi! Utê ngoko u-Simon Petros, akuva ukuba yi-Nkosi, wabînqa ingubo yokwaleka, (kuba ebe-zé), wazipôsa elwandle.

8 Kekaloku abanye abafundi beza ngemkônjana (kuba bebenge mgama emhlabeni, ngatî bebe kubite zimakûlu mabini), bewuzizilizisa umnatâ wentlanzi.

9 Batî ngoko, bakuwelela emhlabeni, babona umlilo wamalahle ukôna, nentlanzi zikuwo, nesonka.

10 Atî u-Yesu kubo, Zisani kwezontlanzi nizibambîse ngoku-nje.

11 Wangena *emkômbêni* u-Simon Petros, wawutsalela emhlabeni umnatâ uzele zintlanzi ezinkulu zilikûlu elinamanci mahlanu anantatû; nakuba bezingakê njalo awujacekanga umnatâ.

12 Atî u-Yesu kubo, Yizani nomule. Akubangakô namnye-ke kubafundi wabi nabuganga bakumbuza esitî, Ungubanina? besazi-nje ukuba yiyo i-Nkosi.

13 Uza-ke u-Yesu, asitâbatê isonka, abanike, ayenje njalo nentlanzi.

14 Oku sekukokwesitâtû ezibonakalalise u-Yesu kubafundi bakê, evukile kwabafileyo.

15 Batî-ke bakomula, atî u-Yesu ku-Simon Petros, Simon ka-Yona, uyanditânda-na ngapêzu kwaba? Atî kuye, Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakutânda. Atî kuye, Dlisa amatakane am.

16 Apînde atî kuye okwesibini, Simon ka-Yona, uyanditânda-na? Atî kuye,

Digitized by Google

Ewe, Nkosi, uyazi wena ukuba ndiyakutânda. Atî kuye, Yalûsa izimvu zam.

17 Atî kuye okwesitâtû, Simon ka-Yona, uyanditânda-na? Waba buhlungu u-Petros, kuba etê kuye okwesitâtû, Uyanditânda-na? Wati kuye, Nkosi, uyazazi izinto zonke wena; uyaqonda wena ukuba ndiyakutânda. Atî u-Yesu kuye, Dlisa izimvu zam.

18 Inene, inene nditî kuwe, Oko ubusemtsha ubuzibînqisa ngokwakô, uhambê apô utânda kôna; kodwa xa utê walupâla, uya kuzolula izandla zakô, ubînqiswe ngomnye, akuse apô ungatândiyo.

19 Wakutsho-ke oku, eqondisa ukuba kufa kunina abeya kuzukisa u-Tixo ngako. Akutsho watî kuye, Ndilandele.

20 Ejikile-ke u-Petros, ubone umfundi obetândwa ngu-Yesu elandela, lowo wayayame esifubeni sakê esidlweni, watî, Nkosi, ngubanina okunikelayo?

21 U-Petros akumbona lowo, utî ku-Yesu, Nkosi, lo woba yinina?

22 Atî u-Yesu kuye, Ukuba nditî nditânde ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyinina lonto kuwe? Iandela mna wena.

23 Lapûma ngoko elilizwi laya kubazalwana, ukuba lomfundi akayi kufa. Waye u-Yesu engatshongo kuye ukutî, Akayi kufa; wati, Ukuba nditî nditânde ukuba yena ahlale ndide ndifike, iyinina lonto kuwe?

24 Nguye lo umfundi onqînayo ngezizinto, wazibâla ezizinto; kanjalo siyazi ukuba ubunqîna bakê buyinene.

25 Kukô-ke nezinye izinto ezininzi awazenzayo u-Yesu, ezingatî zitê zabâlwa ngazinye, nditî nehlabatî-eli alingezibambî incwadi-ezo zingabâlwayo, Amen.

IZENZO ZABA-POSTILE.

ISIQENDU I.

EYOKUQALA imbâli, Teyofilo, ndayenza kambê *ndibalisa* ngento zonke awaqala ngazo u-Yesu ukuzenza kwa nokuzifundisa,

2 Kwada kwayiminî awanyuswa ngayo, akuba ebawisele umtêtô ngo-Moya Oyingcwele aba-postile awayebanyule;

3 Awatî kanjalo emveni kokuva kwakê ubunzima wazimisa epilile pâmbî kwabo, ngeziganeko ezininzi, ezibonakalalisa ngokwakê kubo kwintsuku ezimashumi mane, etêtâ izinto ezingabo ubukumkani buka-Tîxo.

4 Utê, ehlanganisene nabo, wabatêtêla ngelitî, mabangahlukani ne-Yerusalem; mabalinde idinga loyise, *awatî* ukutêtâ, naliva kum;

5 Ngokuba u-Yohane okunene wabâptiza ngamanzi; kodwa nina niya kubâptizwa ngo-Moya Oyingcwele, kungekabi kade emvâ kwezintsuku.

6 Bona-ke ngoko bebutêlene babembuza besitî, Nkosi, wobubuyisela ngelixeshana ubukumkani ku-Sirayeli?

7 Utê-ke kubo, Asikokwenu ukwazi amaxesha nokuba ngamatûba awamise ngelakê igunya u-Bawo;

8 Niya kwamkela-ke amandla, akubon'ukuba u-Moya Oyingcwele uhlile pêzu kwenu, nibe ngamanqîna am e-Yerusalem, kwa nakulo lonke elakwa-Yuda nelase-Samariya kude kuse nasekupêleni komhlaba.

9 Waza etshilo, bakubon' ukuba bakângele, wafukulwa; latî ilifu lemka naye emehlweni abo.

10 Bakuba beqwalasele ezulwini, akubon'ukuba uyemka, kwabonakala kumi ngakubo amadoda amabini enengubo ezimhlope,

11 Awatshoyo ukutî, Madoda ma-Galili, nimele-nina nondele ezulwini? kwa yena lo-Yesu unyusiwevo kuni wasiwa ezulwini, uya kuza ngoluhlobo nimbone esiya ngalo ezulwini.

12 Baza babuyela e-Yerusalem, bevela

Digitized by Google

entabenî ekutîwa yeyemi-Nquma, ekufupî kwi-Yerusalem, uhambô lwe-sabatâ.

13 Batê-ke bakungena, banyukela egumbîni elipêzulu ababehlala kulo, ingu-Petros, no-Yakobi, no-Yohane, no-Andreya, u-Filipu no-Tomas, u-Bartolomeyu no-Mateyu, no-Yakobi ka-Alifeyu, no-Simon um-Zeloti,[1] no-Yuda *umzalwana* ka-Yakobi.

14 Aba bonke babezingisa ngamxêlo mnye ekutândazeni nasekukûngeni, ndawo-nye nabafazi, no-Mariya unina ka-Yesu, kwa ndawo-nye nabazalwana bakê.

15 Ngalomihla wesuka wema u-Petros pâkatî kwabo abafundi, (laye inani lamagama ndawo-nye lingatî lilikûlu elinamanci amabini), watî,

16 Madoda bazalwana, esisibâlo simelwe kukuba sizaliseke, satêtwayo ngapâmbîli ngu-Moya Oyingcwele ngomlomo ka-Davide ngaye u-Yuda, owaba ngumkôkeli kwabo bambambâyo u-Yesu;

17 Ngokuba wayebalelwe kutî, wasizuza isabelo solulungiselelo.

18 Lowo kengoko wazuza umhlaba ngomvuzo wokungalungisi; watî ekâhleleke pântsi ngobuso wagqabuka pâkatî, zapâlala zonke izibilini zakê.

19 Kwāzeka oko kubo bonke abemiyo e-Yerusalem, wada lomhlaba ngeyabo intetô kwatîwa yi-Akeldama, oko kukutî ngumhlaba wegazi.

20 Kuba kubâliwe encwadini yen-Dumiso *kwatîwa:*

Umzi wakê mawube yintlangco.
Nowumiyo angabikô kuwo,
in-Dum. 69, 25.
Butî nobuveleli[2] bakê butâtyatwe
ngomnye. in-Dum. 109, 8.

21 Ngoko kuwo amadoda, abehambâ natî ngalo lonke ixesha, ebingena ipûma pâkatî kwetû i-Nkosi u-Yesu,

22 Iqalele elu-bâptizweni luka-Yohane, yada yayimini eyanyuswa ngayo kutî, kumele ukuba kubekô enye kuwo eba linqîna lokuvuka kwayo kunye natî.

23 Bamisa mabini, u-Yosefu, okutîwa ngu-Barsabas, ogama limbî lingu-Yusto, no-Matiya.

24 Batândaza batî, Wena, Nkosi, mazi wentliziyo zabo bonke, yalatâ kwaba babini oyena umnyulileyo,

25 Ukuba asitâbatê isabelo solulungiselelo nobu-postile, awapâmbûkayo kubo u-Yuda, ukuze aye kweyakê indawo.

26 Bawisa amaqashiso abo; latî iqashiso lapûma no-Matiya; wabalelwa ndawonye naba-postile abalishumi elinamnye.

2 Kekaloku, ekuzalisekeni kwawo umhla we-Pentekoste, baye bonke bemxêlo mnye ndaweni nye.

2 Kwaza ngequbuliso kwapûma ezulwini isandi esinjengesomoya ovutûza ngamandla, sayizalisa indlu yonke abebehleli kuyo.

3 Kwabonakala kubo ilwimi ezabekileyo, ngatî zezomlilo, lwaolo lwahlala pezu kwabo bonke ngabanye.

4 Bazaliswa bonke ngu-Moya Oyingcwele, baqala ukutêtâ ngalwimi zimbî, njengoko u-Moya wayebanika ukuba batete bapîmisele.

5 Kekaloku, kwakumi e-Yerusalem apô ama-Yuda, amadoda oyik' u-Tîxo, evela kuzo zonke intlanga ezipântsi kwezulu.

6 Sitê-ke sakubakô esisandi, yabutêlana inkîta, yadubadubeka, ngokuba bonke ngabanye babebeva bona betêtâ ngezakomawabo intetô.

7 Batî-nqa-ke bonke, bamangaliswa, watî omnye komnye, Kanene aba bonke batêtâyo asingama-Galili-na?

8 Kutê-nina-ke ukuba sibeve-nje sonke ngabanye betêtâ ngezakomawetû intetô esazalelwa kuzo?

9 Tîna ma-Parti, nama-Medi, nama-Elam,. nati simiyo kwelase-Mesopotami, kwelakwa-Yuda kwa nakwelase-Kapadoki, kwelase-Ponto nakwelase-Asiya,

10 Kwelase-Frigi kwa nakwelase-Pamfili, kwelase-Yiputa nasemacaleni elase-Libi ngase-Kirene, nati bahambî base-Roma singama-Yuda kwa nabangeni *ebu-Yudeni*

11 Tîna ma-Krete nama-Arabi, sibeva bona bezitêtâ ngezakomawetû ilwimi izinto ezinkulu zika-Tîxo.

12 Batî-nqa-ke bonke bakôhlwa, omnye esitî komnye, Azi ingaba ifuna ukuba yinto-nina lento?

13 Abanye-ke babehlekisa ngabo, besitî. Bahluti yi-wayini enencasa.

14 Kekaloku u-Petros, esuke wema nabalishumi elinamnye, walipâkamisa izwi lakê, wapîmisela ukutêtâ, watî kubo, Madoda ma-Yuda, nani nonke nimiyo e-Ye-

[1] *Umzondeleli.* [2] Ubu-Bishopu.

Digitized by Google

rusalem, makwazeke oku kuni, niwabekele indlebe amazwi am.

15 Aba abanxilile njengoko nina niba kunjalo, kuba kuse lilixà lesitâtû lemini.

16 Oku kôna koko kutétîweyo ngomprofeti u-Yoweli *kwatîwa:*

17 Kuya kutî ngayo imihla yokugqibela, utsho u-Tîxo,
Ndiwutûlule u-Moya wam pêzu kwayo yonke inyama,
Baprofete onyana benu nentombî zenu,
Atî amadodana enu abone imibono,
Namadoda enu amakûlu apûpê amapûpâ;

18 Ewe, ndaye pêzu kwabakônzi bam napêzu kwabakônzazana bam ngalomihla
Ndiya kuwutûlula u-Moya wam, ba profete;

19 Ndenze izimanga ezulwini pêzulu,
Nemiqondiso emhlabeni pântsi,
Igazi nomlilo nentshinyela yomsi;

20 Ilanga liya kusuka libe mnyama,
Itî inyanga ibe ligazi,
Pâmbî kokuba ize imini ye-Nkosi,
Leyo inkulu ibalulekileyo.

21 Baya kutî bonke abasukuba belinqula igama le-Nkosi basindiswe.

u-Yow. 2, 28-32.

22 Madoda ma-Sirayeli, waveni lamazwi: u-Yesu wase-Nazarete, indoda eqondakalisiweyo ngu-Tîxo kuni ngemisebenzi yamandla, nangezimanga nangemiqondiso, awayenzayo u-Tîxo ngayo pâkatî kwenu, njengokuba nisazi nani ngokwenu;

23 Yena lowo, ekûtshwe ngecebo elimisiweyo lika-Tîxo nokwazi kwakê kwenx' engapâmbîli, namtâbatâ ngezandla zabacâsene nomtêtô, nambetéla emnqamlezweni, namsika;

24 Atê u-Tîxo wamvusa, ezikûlule inimbâ zokufa; ngokokuba ebenge nakô ukubanjwa kukô.

25 Kuba u-Davide utî esingisele kuye,
Ndahlala ndiyibona i-Nkosi pâmbî kwamehlo am,
Ngokuba ingasekunene kwam, ukuze ndingashukunyiswa.

26 Ngenxa yoko intliziyo yam yaba nemihlali, lwageoba ulwimi lwam;
Ngapêzu koko-ke nenyama yam iya kupûmla inetêmbâ;

27 Ngokuba akuyi kuwushiya umpêfumlo wam e-hadesi.[1]
Kananjalo akuyi kumnikela Oyingcwele wakô ekuboneni ukubola.

28 Wandazisa indlela zobomi;
Uya kundizalisa ngemihlali ngokubona ubuso bakô. In-Dum. 16, 8-11.

29 Madoda bazalwana, mandivunyelwe nditêtê kuni ngokupândle ngomawokûlu u-Davide, ukuba wafa wancwatywa; nencwaba lakê likô pâkatî kwetû unanamhla.

30 Ngoko, kuba engum-profeti, esazi nokwazi, ukuba u-Tîxo wamfungela isifungo sokuba esiqâmeni sesinqe sakê ngokwenyama uya kuvelisa u-Kristu,[2] ukuba ahlale pêzu kwe-trone yakê;

31 Utê ebona ngenx' engapâmbîli, watêtâ ngako ukuvuka kuka-Kristu,[2] ukuba umpêfumlo wakê ungashiywanga e-hadesi,' nenyama yakê ingabonanga kubola.

32 U-Tîxo wamvusa lo-Yesu, esingamanqîna ako oko tîna sonke.

33 Epâkanyisiwe ngoko sisandla sokunene sika-Tîxo, elamkele kanjalo idinga lo-Moya Oyingcwele ku-Yise, utûlule oku nikubonayo nikuvayo kaloku-nje nina.

34 Kuba u-Davide enganyukanga waya emazulwini, ke utî ngokwakê,
Yatî i-Nkosi e-Nkosini yam, Hlala ngasekunene kwam,

35 Ndide intshaba zakô ndizenze isitulo senyawo zakô. In-Dum. 110, 1.

36 Ngoko mayazi ngokuqinisekileyo yonke indlu ka-Sirayeli, ukuba u-Tîxo wamenza i-Nkosi no-Kristu kwayena lo-Yesu nambetêlayo emnqamlezweni nina.

37 Kekaloku batê, bakukuva *oko* bahlabeka entliziyweni, batî ku-Petros nakwabanye aba-postile, Madoda bazalwana, sitî-nina?

38 Utê-ke u-Petros kubo, Cuqukani nibâptizwe nonke ngabanye ngegama lika-Yesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, namkele isipô so-Moya Oyingcwele.

39 Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakubo bonke abakude esukuba i-Nkosi u-Tîxo wetû iya kubabiza.

40 Nangamanye amazwi amaninzi wayeqononondisa, evuselela esitî, Zisindiseni kwesisizukulwana sigoso.

41 Batê kengoko abalamkele ilizwi lakê ngovuyo, babâptizwa; kongezelelwa nga-

[1] Kwelabafileyo.
[2] U Mesiya, ngokunye um-Tânjiswa.

Digitized by Google

lomini imipêfumlo engatî imawaka matâtû.

42 Baye-ke bezingisa ukuhlala emfundisweni yaba-postile, nasebudlelaneni, nasekuqêkezeni isonka, nasemitândazweni.

43 Kekaloku, kwabakô ukoyika kwimipêfumlo yonke; kwenzeka izimanga ezininzi kwa nemiqondiso ngaba-postile.

44 Bonke-ke ababebekôlwa babe ndawonye benobudlelane ngento zonke.

45 Baye beténgisa nangemihlaba nangempahla yabo, babele bonke, njengoko ebetî ubani aswele ngako.

46 Babezingisa ukuhlala bemxêlo mnye e-tempileni imihla ngemihla, beqekeza isonka kwizindlu ngezindlu, besidla ukudla benemigcobo, nolungelelwano lwentliziyo,

47 Bemdumisa u-Tîxo, benonelelwe ngabantu bonke. Yaye i-Nkosi isongeza abasindiswayo imihla ngemihla kulo ibandla.

3 Kekaloku u-Petros no-Yohane babenyuka bendawo-nye besiya e-tempileni ngexesha lomtândazo ililixa lesitôba.

2 Kwaye-ke kutwelwe indoda etîle, ebisiqwala kwasekuzalweni kwayo, ababeyibeka imihla ngemihla emnyango we-tempile, lowo kutîwa Mhle, ukuba icele a malizo kwabangenayo e-tempileni;

3 Eyatî, yakubona u-Petros no-Yohane beza kungena e-tempileni, yacela ukuba bayilize.

4 Utê-ke u-Petros, eno-Yohane, eqwalasele kuyo watî, Kângela kutî apâ.

5 Yabagqala-ke, ilinde ukwamkela into kubo.

6 Watî-ke u-Petros, I-silvere ne-golide andinayo, kodwa endinakô ndikunika kôna: Ngegama lika-Yesu Kristu um-Nazarete, vuka uhambê.

7 Wayibambâ ngesandla sokunene, wayivusa; zomelezeka-ke kwa lapô inyawo zayo namaqata ayo.

8 Yesuka umtsi, yema, yahambâhambâ, yangena nabo e-tempileni ihambâhambâ, itsiba, imdumisa u-Tîxo.

9 Baza bonke abantu bayibona ihambâhambâ, idumisa u-Tîxo;

10 Bayazi nokuyazi, ukuba ingulowa ubehlalela amalizo em-Nyango o-Mhle we-tempile, batî-qîp' umbilini, batî-nqa yilonto ihlileyo kuyo.

11 Kekaloku, sakubon' ukuba isiqwala esipîlisiweyo sibabambê ngesandla o-Petros no-Yohane, bonke abantu babalekela kubo e-varandeni ekutîwa yeka-Solomon, beqîpuk' umbilini kakubi.

12 Akukubona-ke *oko* u-Petros, wapêndula *watî* kubo abantu, Madoda ma-Sirayeli, yinina ukuba nimangaliswe yilento? kanjalo yinina ukuba nisijonge, ngatî simenze wahambâ ngawetû amandla nangokwetû ukuhlonela u-Tîxo?

13 U-Tîxo wo-Abraham no-Isake no-Yakobi, u-Tîxo wobawo betû, usizukisile isicaka sakê u-Yesu, enamnikelayo, namkânyela ebusweni buka-Pilato nina, akubon'ukuba yena ugwebe ngelitî, makakûlulwe.

14 Ke nina namkânyela Oyingcwele Olilungisa, nacela ukuba ninikwe indoda engumbulali.

15 Ke yona im-Bângi yobomi nayibulala, awayivusayo u-Tîxo kwabafileyo, esingamanqîna ako oko tîna.

16 Nangenxa yokukôlwa kwigama layo lo nimbonayo nimaziyo limomelezile igama layo, lwatî ukôlo olungayo lwamnika okukupîla kupêleleyo pâmbî kwenu nonke.

17 Nangoku bazalwana, ndiyazi ukuba nenze ngokungazi, njengabo nabo abapâtî benu.

18 Ke u-Tîxo, izinto awazixela ngenv' engapâmbîli ngomlomo wabo bonke abaprofeti bake zokuba u-Kristu' eve ubunzima, uzizalisile wenje nje.

19 Guqukani kengoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu; ngokokuze afike amatûba okupûmza evela ebusweni be-Nkosi;

20 Itûme u-Yesu Kristu, owayevakalisiwe kuni ngenx' engapâmbîli;

21 Lowo kumele okunene ukuba izulimamkele, kude kufike amaxesha okubuyiswa kwento zonke, awawatêtâyo u-Tîxo ngomlomo wabo bonke aba-profeti bake abangcwele kususela kunapâkade.

22 Kuba u-Moses okunene watî kobuwo: I-Nkosi u-Tîxo wenu iya kuniveliselà um-profeti kubazalwana benu onjengam-nje; zenimve yena kuzo zonke izinto asukuba eya kuzitêtâ kuni.

23 Yotî-ke yonke imipêfumlo engatânga imve lom-profeti, ibûjiswe kupêle pâkatî kwabantu.

[1] U-Mesiya ngokunye um-Tânjiswa.

Digitized by Google

24 Nabo-ke bonke aba-profeti, betâbatêla ku-Samuweli nakwabalandelayo, bonke abatêtîleyo, bayixela lomihla ngenx' engapâmbîli.

25 Nina ningonyana babo aba-profeti, nabomnqopîso awanqopîsana ngawo nobawo betû u-Tîxo, esitî ku-Abraham: Yaye-ke iya kusikeleleka embêwini yakô yonke imizalwane yomhlaba.

26 Utê u-Tîxo, akuba esivusile isicaka sakê u-Yesu, wasitûma kuni kuqala, ukuba sinisikelele ngokuniguqula nonke ngabanye kwinkohlakalo zenu.

4 Bakubon' ukuba bayatêtâ kubo abantu, ababingeleli[1] nomtêtêli we-tempile naba-Sadusi batî-gaga pêzu kwabo,

2 Bebindekile ngenxa yokuba befundisa abantu, bekuxela ukuvuka kubo abafileyo ngoku kuka-Yesu *ukuvuka*.

3 Babesa izandla, babafaka entolongweni, kwada kwaba lingomso; kuba besekuhlwile.

4 Kekaloku, into eninzi yabo babelivile ilizwi yakôlwa; latî inani lamadoda langa limawaka mahlanu.

5 Kwatî-ke ngengomso kwahlanganiselana e-Yerusalem abapâtî babo namadoda amakûlu nababâli,

6 No-Anas umbingeleli[1] omkûlu, no-Kayafa, no-Yohane, no-Alesandire, nabo bonke abomlibo wombingeleli omkûlu.

7 Batê bakuba bebamise pâkatî, bababuza *besitî*, Lento nina niyenze ngamandla manina nangagama linina?

8 Wandula u-Petros, ezele ngu-Moya Oyingcwele, watî kubo, Nina bapâtî babantu, nani madoda makûlu akwa-Sirayeli,

9 Ukuba tîna namhla-nje sincinwa ngomsebenzi wokumsiza umntu ongumlwelwe, ukuba utîwe-nina ukusindiswa;

10 Makwazeke kuni nonke, nakubo bonke abantu bakwa-Sirayeli, ukuba kungegama lika-Yesu Kristu wase-Nazarete, enambetêlayo emnqamlezweni nina, atê u-Tîxo wamvusa kwabafileyo, kungaye lowo ukuba lomntu eme apâ pâmbî kwenu epîlile.

11 Nguye lo ilitye elenziwa into engento nini bakî, elisuke laba yintloko yembômbô.

12 Kananjalo usindiso alukô kuwumbî; kuba akukô gama limbî pântsi kwezulu linikiweyo pâkatî kwabantu, esimele ukusindiswa ngalo.

13 Kekaloku, bakubona ukungafihlisi kutêtâ ko-Petros no-Yohane, beqiqa nokuba ngabantu abange namfundo, abange nakwazi, bamangaliswa; babaqonda ukuba babe naye u-Yesu.

14 Bakumbona-ke umntu emi nabo, yena lowo upîlisiweyo, ababanga nandawo yakupîka.

15 Bakuba betê mabapûme entlanganisweni yamatyala, bacebisana bodwa,

16 Besitî, Siya kubatî-nina ababantu? kuba okunene ukuba kuhle ngabo umqondiso owazekayo, oyinto ebonakalayo kubo bonke abemi e-Yerusalem, natî asinakuyikânyela lonto.

17 Ukuze-ke lonto ingahlakazeki ngakumbî ebantwini, masesibasongela ngelokuba bangabi satêtâ mntwini ngeligama.

18 Bebabizile babatêtêla ngelitî, mabangabi sakânkanya nakanye, bangafundisi nokufundisa ngegama lika-Yesu.

19 Kekaloku u-Petros no-Yohane bapêndula, batî kubo, Yahlulani nina, ukuba bulungisa-na emehlweni ka-Tîxo ukuva nina kunokuva u-Tîxo.

20 Kuba singenakô tîna ukutî singazitêtî izinto esazibonayo esazivayo.

21 Batê-ke bona, beqokele ngokubasongela, babandulula; bengafumanî sizatu bangababetâ ngaso, ngenxa yabantu; ngokuba bonke bebemzukisa u-Tîxo ngoko kwakuhlile.

22 Kuba wayedlule emashumini amane eminyaka umntu lowo wawuhle kuye lomqondiso wokupîliswa.

23 Kekaloku, bakundululwa baya kwababo, babika oko zingako izinto abazitêtâyo kubo ababingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu.

24 Bona-ke bekuvile oko, bapâkamisa izwi ku-Tîxo ngamxêlo-mnye, batî, Mnini-nto zonke, wena ungu-Tîxo owalenzayo izulu nomhlaba nolwandle, nento zonke ezikwezonto;

25 Owatî ngomlomo ka-Davide isicaka sakô,

Zazibâvumela-nina iñtlanga,
Zaza izizwe zacamanga into ezinge nto.

[1] Umenzololeli kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

[1] Abenzololeli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

26 Bazimisa okumkani bomhlaba,
Nabapâtî bahlanganisana ndawo-nye
Ngokuyicâsa i-Nkosi, naye u-Kristu [1] wayo. in-Dum. 2, 1.

27 Kuba inyaniso ngaso isi-Caka sakô esiyingcwele esingu-Yesu, owasitâmbîsayo, kwahlanganisana u-Herode kwa no-Pontiyo Pilato ndawo-nye nen-Tlanga nabantu bakwa-Sirayeli,

28 Ukuba benze into zonke ezamiswayo ngenx' engapâmbîli sisandla sakô nalicebo lakô, ukuba zibekô.

29 Okwangoku-ke, Nkosi, zikângele izisongelo zabo, ubanike abakônzi bakô ukuba balitêtê ilizwi lakô ngako konke ukungafihlisi,

30 Ekusoluleni isandla sakô ukuba upîlise, nokuba kubekô imiqondiso nezimanga ngegama lesi-Caka sakô esiyingcwele u-Yesu.

31 Bakubon' ukuba bakûngile, yazanyazanyiswa indawo ababehlanganisene kuyo, bazaliswa bonke ngu-Moya Oyingcwele, balitêtâ ilizwi lika-Tîxo ngokungafihlisiyo.

32 Kekaloku inkitâ yababekôliwe yayintliziyo-*nye* impêfumlo-mnye; kwaye kungekô namnye ubesitî kukô nto iyeyakê empahleni yakê; zonke izinto zaye zizezobudlelane kubo.

33 Baye aba-postile bekunqînela ngamandla amakûlu ukuvuka kwe-Nkosi u-Yesu; kwaye kukô ukubabalwa okukûlu kubo bonke.

34 Kuba kwakungekô namnye pâkatî kwabo wayeswele; kuba bonke ababe nemihlaba, nokuba zizindlu, babesitî batêngise ngazo, bawazise amaxabiso ezonto kutêngisiweyo ngazo,

35 Bawabeke ezinyaweni zaba-postile; waye-ke elowo ebesabelwa njengoko ebesukuba eswele ngako.

36 Kekaloku u-Yose, owatîywa ngabapostile elinye igama lokuba-Barnabas (elitî lakutêtwa ngentêtô evakalayo ngumfo wovuselelo), um-Levi wase-Kipro ngokuzalwa,

37 Watî enomhlaba watêngisa ngawo, wayizisa imali, wayibeka ezinyaweni zaba-postile.

[1] U-Mesiya, ngokunye um-Tânjiswa.

5 Kekaloku indoda etîle, u-Hananiya ngegama, ino-Safira umkayo, yatêngisa ngemfuyo *yayo*.

2 Yashinta kulo ixabiso *layo*, esazi naye umkayo; yazisa nxenye itîle, yayibeka ezinyaweni zaba-postile.

3 Watî-ke u-Petros, Hananiya, kunganina ukuba u-Satana azalise intliziyo yakô, ukuba umxokise u-Moya Oyingcwele, ushinte kulo ixabiso lomhlaba?

4 Oko ube uhleli, ubungahleli kuwe-na? Kanjalo utêngisiwe, ubungekôna-na egunyeni lakô? Yinina ukuba uyibeke lento entliziyweni yakô? Akuxoke kubantu, uxoke ku-Tîxo.

5 Ewavile-ke u-Hananiya lamazwi, wawa, wapûma umpêfumlo; kwabakô ukoyika okukûlu kubo bonke ababezivile ezizinto.

6 Asuka-ke amadodana, amsonga, amtwalela pândle, amncwaba.

7 Kwaba mzuzwana-ke, ngatî ngowamaxa amatâtû, watî umkakê, engayazi kanto ihlileyo, wangena.

8 Umpêndule-ke u-Petros watî, Ndixelele, umhlaba lo wakûtshelwa inani elingaka-na? Watî-ke yena, Ewe, elingako.

9 Utê-ke u-Petros kuye, Yinina ukuba nivumelane ngokumlinga u-Moya we-Nkosi? Uyabona, inyawo zabo bancwabe indoda yakô sezisemnyango, baya kukutwalela pândle.

10 Wawa-ke kwa lapô ezinyaweni zakê, wapûma umpêfumlo; bangena-ke abafana, bamfumana efile, bamtwalela pândle, bamncwabela ngasendodeni yakê.

11 Kwabakô ukoyika kulo lonke ibandla, nakubo bonke abazivayo ezizinto.

12 Kekaloku ngazo izandla zaba-postile kwabakô imiqondiso nezimanga ezinzi pâkatî kwabantu; baye bonke bemxêlo mnye e-varandeni ka-Solomon.

13 Kekaloku, kwabanye akubangakô namnye waba nobuganga bokuzinamatêlisa kubo; baye abantu bebenze bakûlu.

14 Kwaba kukôna-ke kongezwayo abakôlwayo kwi-Nkosi into eninzi yamadoda neyabafazi;

15 Bada bayitwalela pândle imilwelwe ezi-trateni, bayibeka ezinqênqêlweni nasezinkukweni, ukuze kutî, akubon'ukuba

Digitized by Google

u-Petros uyeza, kubekô kuyo etî isityekelwe sitûnzi *sakê*.

16 Yaye-ke ibutêlana e-Yerusalem nenkitâ yabemizi ejikelezileyo, itwele imilwelwe nabakâtâzwa ngomoya abancôlileyo, ababesitî bona bapîliswe bonke.

17 Kekaloku wesuka umbingeleli[1] omkûlu, nabo bonke ababe naye, (abangabehlelo laba-Sadusi,) bazala ngumsindo;
18 Babesa izandla aba-postile, babafaka entolongweni yabantu bonke.
19 Kekaloku, isitûnywa se-Nkosi sazivula ingcango zentolongo ebusuku, sabakûpâ, satî,
20 Hambâni, niyokuma nitêtê e-tempileni kubo abantu onke amazwi obubomi.
21 Bevile-ke bangena kwa ngesifingo e-tempileni, bafundisa. Wafika-ke umbingeleli[1] omkûlu nabo babe naye, wayibizela ndawo-nye intlanganiso yamatyala, nawo onke amadoda amakûlu akonyana baka-Sirayeli, batûmela endlwini yamakônxwa ukuba beziswe.
22 Kekaloku, akufika ama-dindala, akabafumananga entolongweni; abuya-ke abika, esitî,
23 Indlu yamakônxwa siyifumene okunene ivalwe ngokuqinileyo kanye, nabalindi bemi ngapândle pâmbî kweminyango. Sivulile-ke, asifumananga mntu ngapâkatî.
24 Batê-ke bakuweva lamazwi, umbingeleli[1] kwa nomtêtêli we-tempile, nababingeleli abakûlu, labakôhla, *batî*, Azi ingaba yinto-nina lento!
25 Wafika-ke otîle wababikela esitî, Yabonani, amadoda lawa beniwafake entolongweni, nangaya e-tempileni emi efundisa abantu.
26 Wesuka umtêtêli enama-dindala, wabazisa kunge ngamandla; kuba bebesoyika abantu, hleze baxulutywe ngamatye.
27 Bebazisile-ke, babamisa entlanganisweni yamatyala; wababuza umbingeleli[1] omkûlu,
28 Esitî, Besinganitêtêlanga-na kunene ngelitî, maningafundisi ngeligama? niyabona niyizalisile i-Yerusalem ngemfundiso yenu, nifuna ukulizisa pêzu kwetu igazi lalomntu.
29 Wapêndula-ke u-Petros naba-postile, batî, Simelwe kukutî sive u-Tîxo kunokuba sive abantu.

[1] **Umenzeleleli kwi-Test.** endala, ngokunye um-pristo.

30 U-Tîxo wobawo betû wamvusa u-Yesu, enambulalayo nina ngokumxôma emtîni.
31 Yena lowo u-Tîxo wampâkamisa ngesandla sakê sokunene wangum-Têtêli nom-Sindisi, ukuze amnike u-Sirayeli inguquko noxolelo lwezono.
32 Saye singamanqîna akê ezondawo tîna, kwa no-Moya Oyingcwele, awamnika abo bamvayo yena u-Tîxo.

33 Batê-ke bona bakukuva oko bahlabeka entliziyweni, babûnga ukuba babasike.
34 Kekaloku, kwesuka kwema otîle entlanganisweni yamatyala, um-Farisi ogama lingu-Gamaliyeli, umfundisi womtêtô, obekekileyo kubantu bonke, watî makê bakûtshelwe pândle kancinane aba-postile;
35 Wati kubo, Madoda ma-Sirayeli, zilumkeleni ngento eniza kuyenza kwababantu.
36 Kuba ngapâmbî kwalemihla kwesuka u-Tuda, esitî yena ngokwakê ungutîle; ekwanamatêla kuye inani lamadoda angatî amakûlu mane; ngowasikwayo lowo; batî bonke ababemtâmbêle babângazeka ababi nto.
37 Emva kwalowo kwesuka u-Yuda welase-Galili ngemihla yobâlo lomlibo wokuzalwa, wakûkulisa abantu banela; naye lowo watshabalala; baza bonke ababemtâmbêle bacîtacîtwa.
38 Kungoku-ke nditî kuni, Kwelelani kwababantu nibayeke; ngokuba elicebo nalomsebenzi, ukuba lingaba lelabantu lotshitsha:
39 Ukuba-ke lelika-Tîxo, aninakulitshitshisa; hleze nifunyanwe ningabalwa kwa no-Tîxo.
40 Bamtâmbêla-ke; bebabizile aba-postile babatyabula, babatêtêla ngelitî, mabangatêti ngegama lika-Yesu, babandululа-ke.
41 Bemka-ke ngoko bona, ebusweni bentlanganiso yamatyala bevuya, ngokuba kwatîwa bakufanele ukuhlaziswa ngenxa yegama lakê.
42 Kananjalo imihla yonke e-tempileni, nasemakâya, babengayeki ukufundisa nokushumayela indaba ezilungileyo zokuba u-Yesu unguye u-Kristu.[1]

[1] **U-Mesiya, ngokunye um-Tânjiswa.**

Digitized by Google

6 Kekaloku, ngalomihla bakubon'ukuba bayanda abafundi, kwabakô ukuroŕa kwawesi-Grike ama-Yuda ngakwawesi-Hebere, ngokuba abahlolokazi bawo bebesilela ekulungiselelweni kwemihla ngemihla.

2 Batê-ke abalishumi elinababini bawubizela kubo umhlambi wabafundi, bati, Akukôlekile, ukuba tina silishiye ilizwi lika-Tixo, silungiselele ezi-tafileni.

3 Kângelani ngoko, bazalwana, amadoda kuni abe sixênxe anqinelwe *ukulunga*, ezele ngu-Moya Oyingcwele nabulumko, esiya kuwamisela lomsebenzi;

4 Ke tina siya kuzingisa ekutândazeni nasekulungiseleleni ilizwi.

5 Lakôleka ilizwi-elo emehlweni omhlambi lowo wonke; banyula u-Stefano indoda ezele lukôlo nangu-Moya Oyingcwele, no-Filipu, no-Prokoro, no-Nikanore, no-Timon, no-Parmena, no-Nikolawo wakwa-Antiyokwe owabengene ebu-Yudeni:

6 Ababamisayo emehlweni aba-postile; bati bakutândaza bazibeka izandla pêzu kwabo.

7 Laye liya likûla ilizwi lika-Tixo, liya lisanda kakûlu inani labafundi e-Yerusalem; laye neqela elikulu lababingeleli[1] lilululamela ukôlo.

8 Kekaloku u-Stefano, ezele lukôlo nangamandla, wayesenza izimanga nemiqondiso emikûlu pâkati kwabantu.

9 Kwesuka-ke abatile basesikûngwini, ekutiwa sesaba-Kûlulwa nabase-Kirene nabakwa-Alesandire, nabatile belase-Kiliki nabelase-Asiya, bepikisana no-Stefano;

10 Ababi namandla akumelana nabo ubulumko no-Moya, awayetêtâ ngaye.

11 Kwakuba njalo banyebelezisa amadoda, awati, Simve etêtâ amazwi okunyelisa u-Moses no-Tixo.

12 Kanjalo babahlokohla abantu kwa namadoda amakûlu nababâli, baza bemfikele bamti-hlasi, bamsa ematyaleni amakûlu;

13 Bamisa namanqina obuxoki, awati, Lomntu akayeki ukutêtâ amazwi okunyelisa indawo engcwele nomtêtô;

14 Kuba simve esiti, u-Yesu wase-Nazarete lo uya kuvicita lendawo, awenze wambi amasiko awawanikela kuti u-Moses.

15 Bonke ababehleli entlanganisweni yamatyala, baqwalasela kuye, babubona ubuso bakê ngati bubuso besitûnywa sezulu.

7 Wati-ke umbingeleli[1] omkûlu, Zinjalo-na-ke ezindawo?

2 Ute-ke yena,

Madoda bazalwana, nani bobawo, pûlapûlani. U-Tixo wozuko wabonakala kubawo wetû u-Abraham ekwelase-Mesopotami, pâmbi kokuma kwakê kwelakwa-Karan,

3 Wati kuye, Pûma kuwo umhlaba wakowenu nasemizalwaneni yakô, uze emhlabeni endingakubonisa wona.

4 Waza wapûma-ke emhlabeni wama-Kaledi, wema kwelakwa-Karan; emveni kokufa koyise wamsusa apô, wamfudusela kulomhlaba nimiyo kuwo nina ngoku.

5 Akamnika lifa kuwo, kwa nendawo engangonyawo; kodwa wambeka ngedinga lokuba uya kumnika ube ngowakê nembewu yakê emva kwakê, pôfu engekabi namntwana.

6 Kekaloku wenje nje u-Tixo ukutêta wati, imbêwu yakê iya kuba ngabapâmbukeli emhlabeni wabasemzini; baya kuyenza amakôboka, bayipâtê kakubi iminyaka engamakûlu omane.

7 Nohlanga-olo, etê yangamakôboka kulo, ndiya kulugweba mna, watsho u-Tixo; yaye emveni kwezizinto iya kupûma indikônze kulendawo.

8 Waza wamnika umnqopiso wolwaluko; wati yena ekuwo, wazala u-Isake, wamalûsa ngomhla wesibôzo, waza u-Isake *wamenje njalo* u-Yakobi, waza no-Yakobi *wabenje njalo* omawokûlu abalishumi elinababini.

9 Bati omawokûlu bemmonele u-Yosefu, batêngisa ngaye, bamsingisa e-Yiputa; kodwa u-Tixo waba naye,

10 Wamncotûla kuzo zonke imbândezelo zakê, wambabala ngobulumko pâmbi ko-Faro ukumkani wase-Yiputa; wammisa ukuba abe yi-fuluneli pêzu kwe-Yiputa nendlu yakê ipêla.

11 Kekaloku, kwafika indlala kuwo umhlaba wase-Yiputa upêla nowakwa-Kanan, nembândezelo enkulu; baye obawo betû bengafumani kudla.

12 Akuva-ke u-Yakobi ukuba kukô inqôlowa e-Yiputa, wesusa obawo betû okokuqala.

[1] Abenzeleleli kwi-Test endala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

13 Watî ngokwesibini u-Yosefu wabuya waziwa ngabazalwana bakê, saza isizalwane sika-Yosefu saveliswa ku-Faro.

14 Watûmela-ke u-Yosefu wambiza uyise u-Yakobi, nabo bonke abazalana naye bayimipêfumlo engamashumi osixênxe anesihlanu.

15 Wehla-ke u-Yakobi, waya e-Yiputa, wabûbâ yena nobawo betû,

16 Baza batŵalwa basiwa kwa-Shekem, babekwa encŵabeni awalitêngayo u-Abraham ngexabiso lemali konyana baka-Hamore uso-Shekem.

17 Litê-ke, lakuba lisondele ixesha lediinga, awalifungayo u-Tîxo ku-Abraham, bakûla abantu, banda e-Yiputa,

18 Kwada kwavela kumkani wumbî ubengamazi u-Yosefu.

19 Lowo wabalumkisa abakowetû, wabapâtâ kakubi obawo betû, ngokokuze bazilahle intsana zabo, ukuze zingabudli ubom.

20 Ekutê-ke kweloxesha kwazalwa u-Moses, waye emhle ku-Tîxo; wondliwa inyanga zantatû endlwini kayise:

21 Elahliwe-ke yamcôla intombî ka-Faro, yazondlela ububa abe ngunyana wayo.

22 Waqeqeshwa-ke u-Moses kubo bonke ubulumko bama-Yiputa; waye-ke eyinkunqele ngamazwi nangemisebenzi.

23 Kutê-ke kwakuzaliseka kuye ixesha leminyaka engamashumi amane, kwatîqatâ entliziyweni yakê ukukê aye kuvelela abazalwana bakê onyana baka-Sirayeli.

24 Waza, akubona otîle esoniwa, wamhlanganisela, wampîndezelela lowo ucinezelweyo ngokumtî-qwaka um-Yiputa:

25 Wayeba-ke yena boqonda abazalwana bakê, ukuba u-Tîxo ebeya kubasindisa ngesandla sakê; abaqondanga-ke bona.

26 Kananjalo ngengomso wabonakala kubo besilwa, wabanyanzela ukuba baxolisane, esitî, Madoda, niyazalana nina; yinina ukuba nonane?

27 Utê-ke yena owayemonile uwabo wamgiba, esitî, Umiswe ngubanina ukuba ube ngumpâtî nomahluli pâkatî kwetû?

28 Ungaba wena ufuna ukundisika-na, ngohlobo omsike ngalo um-Yiputa izolo?

29 Wasaba-ke u-Moses ngelozwi, wangumpâmbûkeli emhlabeni wakwa-Midiyan, apô wazalela kôna onyana bababini.

30 Kutê-ke kwakuzaliseka iminyaka emashumi mane, kwabonakala kuye kwintlango yentaba ye-Sinayi isitûnywa se-Nkosi elangatyeni lomlilo etŷolweni.

31 Kekaloku, akukubona oko u-Moses, wamangaliswa ngumbono lowo. Kutêke, akusondela ukuba awuqiqe, kwafika izwi le-Nkosi kuye *lisiti*,

32 Mna ndingu-Tîxo wabo oyihlo, u-Tîxo ka-Abraham, u-Tîxo ka-Isake, u-Tîxo ka-Yakobi. Wesuka-ke wagubâ u-Moses, akabi nabuganga bakuwuqiqa.

33 Itê-ke kuye i-Nkosi, Zitûkulule imbâdada ezinyaweni zakô; kuba indawoleyo umi kuyo ingumhlaba ongcwele.

34 Ndikubonile ndakubona ukupâtŵa kakubi kwabantu bam abase-Yiputa, ndakuva nokuncwina kwabo; ndihlile, ukuze ndibahlangule. Yiza ngoku, ndikutûme e-Yiputa.

35 Lo-Moses bamkânyelayo, besitî, Umiswe ngubanina, ukuba ube ngumpâtî nomahluli? u-Tîxo watûma yena ukuba abe ngumpâtî nomhlanguli ngesandla sesitûnywa esabonakalayo kuye etŷolweni.

36 Yena lowo wabakûpâ, akubon'ukuba wenze izimanga nemiqondiso emhlabeni wase-Yiputa, nase-Lwandle olubomvu, nasentlango iminyaka engamashumi omane.

37 Lowo ngulo-Moses watî konyana baka-Sirayeli, I-Nkosi u-Tîxo wenu iya kunivelisela um-profeti kubazalwana benu onjengam-nje; zenimve yena.

38 Nguye lowo owaye pâkatî kwalo ibandla entlango, ndawo-nye nesitûnywa sezulu ebesitêtâ naye entabeni ye-Sinayi, nobawo betû; owamkelayo izihlabo zobomi, ukuze azinikele kutî;

39 Abangatândanga kumlulamela obawo betû; besuka bamgiba, babuyela e-Yiputa ngentliziyo zabo,

40 Besitî ku-Aron, Senzele otîxo abaya kuhambâ pâmbî kwetû; kuba lo-Moses wasikûpâyo emhlabeni wase-Yiputa, asiyazi into emhleleyo.

41 Benza itôle ngalomihla, benyusa amadini, bawasa esitîxweni-eso, baba nemihlali yimisebenzi yezabo izandla.

42 Wajika-ke u-Tîxo, wabanikela ukuba bakônze umkosi wezulu; njengoko kubâliweyo encwadini yaba-profeti *kwatîwa*,

Ningaba nisondeze kum imibingelelo neminikelo yinina
Iminyaka emashumi mane entlango, ndlu ka-Sirayeli?

Digitized by Google

43 Natŵala umnquba ka-Moleki,
Nenkwenkwezi yotíxo wenu u-Remfan,
Imifanekiso ke-leyo enayenzayo ukuba niqubude kuyo;
Ndaye-ke ndiya kunifudusela ngapâya kwe-Babeli. u-Am. 5, 25.

44 Umnquba wesinqíno wawukobawo betû entlango, njengoko wayemisele ngako owayetêtâ no-Moses, ukuba awenze ngokomfanekiso abewubonile;

45 Lo kanjalo bawungenisayo, benikelana ngawo obawo betû, beno-Yoshuwa ekutínjweni kwentlanga, ezo wazigxotayo u-Tíxo ebusweni bobawo betû, kwada kwayimihla ka-Davide;

46 Owababalwayo ngu-Tíxo, wacela, ukuba amfumanele u-Tíxo ka-Yakobi umnquba.

47 Ngu-Solomon-ke owamakêla indlu.

48 Noko Osenyangweni yena akemi zitempileni zenziwe ngazandla; njengokuba esitsho um-profeti ukutí,

49 Izulu liyi-trone yam,
Ke umlilaba si-tulo senyawo zam;
Yindlu enjanina eniya kuyakêla mna, itsho i-Nkosi;
Yiyipína yona indawo yokupûmla kwam?

50 Asisisandla sam-na, esenza zonke ezozinto? u-Yes. 66, 12.

51 Nina bantamo zilukûni, bangalukileyo ngentliziyo nangendlebe, nihleli nibambêne no-Moya Oyingcwele; njengabo oyihlo, nani ninjalo.

52 Kubo aba-profeti nguwupína ongatshutshiswanga ngoyihlo? Bababulala ababexela ngenx' engapâmbíli ukuza k-Olilungisa; enitê kaloku-nje naba ngabanikeli nababulali bakê;

53 Nina nawamkelayo umtêtô niwumiselwa zitûnywa zezulu, anawugcina.

54 Kekaloku, batí bakuziva ezizinto, bahlabeka ezintliziyweni zabo, bamtshixizela amazinyo.

55 Ke yena, ezele ngu-Moya Oyingcwele, waqwalasela ezulwini, wabona ubuqaqauli buka-Tíxo, no-Yesu emi ngasekunene kuka-Tíxo,

56 Watí, Yabonani, ndiwabona amazulu evulekile, ndimbona u-Nyana womntu emi ngasekunene kuka-Tíxo.

57 Badanduluka-ke ngezwi elikûlu, bazivingca indlebe zabo, besuk' indulumbâne pèzu kwakê ngamxêlo mnye,

58 Bamkûpêla ngapândle komzi, bamgibisela ngamatye. Amanqína azibeka ingubo zawo ezinyaweni zendodana ekutíwa ngu-Saule.

59 Ayemgibisela ngamatye u-Stefano, yena ebiza esití, Nkosi Yesu, wamkele umoya wam.

60 Uguqile-ke ngamadolo, wadanduluka ngezwi elikûlu, *watí*, Nkosi, ungabamiseli esisono. Akutsho, walala ubutôngo.

8

Waye-ke u-Saule ekutâkazela ukusikwa kwakê.

Kekaloku kwehla ngalomhla intshutshiso enkulu pèzu kwalo ibandla elise-Yerusalem; kanjalo bonke baba zintsali emazweni akwa-Yuda nase-Samariya, *kwasala* aba-postile bodwa.

2 Amtŵala-ke u-Stefano amadoda amoyikayo u-Tíxo, *aya kumncŵaba*, amenzela isililo esikûlu.

3 Waye-ke u-Saule elidlavula ibandla, engena kwizindlu ngezindlu, efola amadoda kwa nabafazi ebafaka entolongweni.

4 Bona kengoko ababe zintsali batŷutŷa ilizwe, beshumayela indaba ezilungileyo zelizwe.

5 Wehla-ke u-Filipu, waya emzini welase-Samariya wamvakalisa u-Kristu kubo.

6 Yaye kanjalo indimbâne izinyamekela ngamxêlo mnye izinto ezibe zitêtŵa ngu-Filipu, ekuyiveni nasekuyiboneni kwayo imiqondiso abeyenza.

7 Kuba omoya abancôlileyo bebepûma kwinto eninzi ebi nabo; bebômbôloza ngezwi elikulu; yatí-ke into eninzi enedumbe neziziqwala yapílíswa.

8 Kwabakô uvuyo olukûlu kulomzi.

9 Kekaloku bekukô indoda etíle, egama lingu-Simon kwa ngapâmbíli kulomzi, elinyangá ibetê lutí-nqa uhlanga lwase-Samariya, isití yona ngokwayo ingutíle omkûlu;

10 Ababeyipûlapûla bonke, betâbatêla komncinane base komkûlu, besití, Lo ungamandla ka-Tíxo amakûlu.

1 U-Mesiya, okunye um-Tanjiswa.

Digitized by Google

11 Baye-ke bempûlapûla, ngenxa yokuba ixesha elide wabetâ be-nqa ngobunyangi *bakê*.

12 Xenikweni-ke bakôlwayo ngu-Filipu, eshumayela indaba ezilungileyo zento zobukumkani buka-Tîxo nezegama lika-Yesu Kristu, babâptizwa amadoda kwa nabafazi.

13 Wakôlwa-ke kwa naye u-Simon; watî akubâptizwa wazingisa ukuhlala no-Filipu, ebona imiqondiso kwa nemisebenzi emikûlu yamandla isenzeka, watî-nqa.

14 Kekaloku, bakuva aba-postile ababese-Yerusalem, ukuba abase-Samariya balamkele ilizwi lika-Tîxo, batûma u-Petros no-Yohane kubo;

15 Abatî bona bakuhla babatândazela, ukuba bamkele u-Moya Oyingcwele;

16 Kuba ebengekaweli namnye kubo, babebâptizelwe-nje kodwa egameni le-Nkosi u-Yesu.

17 Bandula ukubeka izandla pêzu kwabo, bamamkela-ke u-Moya Oyingcwele.

18 Kekaloku u-Simon, akubona ukuba ngokubekwa kwezandla zaba-postile uyanikwa u-Moya Oyingcwele, wezisa kubo imali,

19 Esitî, Ndinikeni nam eligunya, ukuze lowo, nditê ndazibeka izandla pêzu kwakê, amkele u-Moya Oyingcwele.

20 Utê-ke u-Petros kuye, I-silvere yakô mayiye kutshabalala nawe; ngokuba ububa isipô sika-Tîxo singazuzwa ngemali.

21 Akunasahlulo nasabelo kulento; kuba intliziyo yakô ayitê-tye emehlweni ka-Tîxo.

22 Guquka ngoko kobobubi bakô, ukûnge ku-Tîxo, ukuba ingatî mhlaumbî ixolelwe ingcingane yentliziyo yakô.

23 Kuba ndiyabona, ukuba usenyongweni yobuṙaṙa nasentanjeni yentswela-bulungisa.

24 Wapêndula-ke u-Simon watî, Ndikûngeleni nina e-Nkosini, ukuze ndingahlelwa nanye yezozinto nizitêtîleyo.

25 Bona kengoko, bakuba beqononondisile belitêtâ ilizwi le-Nkosi, babuya beza e-Yerusalem; kanjalo imizi eminninzi yelase-Samariya bayishumayeza indaba ezilungileyo.

26 Kekaloku kwatêtâ isitûnywa se-Nkosi ku-Filipu, sisitî, Suka usinge e-Zantsi, ngendlela ehla ivela e-Yerusalem eya e-Gaza, yona iyintlango.

27 Usukile-ke waya. Kwavela indoda engum-Tiyopiya,[1] itênwa, isikûlu sika-Kandase ukumkanikazi wama-Tiyopiya ebipêtê bonke ubutyebi bakê, eyabize kuqubuda *ku-Tîxo* e-Yerusalem;

28 Yayibuya, ihleli enqwelweni yayo, ilesa incwadi yom-profeti u-Yesaya.

29 Utê-ke u-Moya ku-Filipu, Yiya ukwêle kulenqwelo.

30 Wabaleka-ke u-Filipu, waya kuyo, wayiva ilesa incwadi yom-profeti u-Yesaya, watî, Uyaziqonda-na kodwa izinto ozilesayo?

31 Itê-ke yona, Ndingaba nakô nganina, kungekô undikôkelayo-nje? Kanjalo yambongoza u-Filipu ukuba akwêle ahlale nayo.

32 Kekaloku indawo yesibâlo eyayilesa yona ibi yilé, itî,

Njengemvu esiwa ekuxêlweni,
Njengemvana esimumu pâmbî komcêbi wayo,
Wenje njalo yena ukungawuvuli umlomo wakê.

33 Ekutôbekeni kwakê umgwebo wakê wasuswa;
Ngubanina-ke owosicacisa ukusixela isizukulwana sakê?
Ngokuba buyasuswa ubomi bakê emhlabeni. u-Yes. 53, 7. 8.

34 Lapêndula-ke itênwa latî ku-Filipu, Ndiyakukûnga, um-profeti-lo uyitêtâ ngabanina lento; uzitêtâ yena-na, utêtâ mntu wumbî kusinina?

35 Wawuvula-ke u-Filipu umlomo wakê, waqalela kwesosibâlo, walishumayeza indaba ezilungileyo zika-Yesu.

36 Kekaloku, xa bahambâyo ngendlela, bafika manzini atîle; latî itênwa, Nang' amanzi; kwala nto-nina ukuba ndingabâptizwa?

37 Utê-ke u-Filipu, Ukuba uyakôlwa ngentliziyo yakô ipêla, kuvumelekile. Lapêndula-ke latî, Ndiyakôlwa ukuba u-Yesu Kristu ungunyana ka-Tîxo.

38 Latî mayime inqwelo; behla bobabini, baya emanzini, u-Filipu kwa netênwa; walibâptiza.

39 Xeshikweni-ke babenyukile bapûma emanzini, u-Moya we-Nkosi wamtî-xwi u-Filipu; alabi sambona itênwa, kuba lalihambâ ngeyalo indlela livuya.

[1] Um-Kushi kwi-Test. endala.

Digitized by Google

40 U-Filipu-ke wafunyanwa e-Azoto; watýutýa ilizwe, eyishumayeza imizi yonke indaba ezilungileyo, wada weza e-Kesareya.

9 Kekaloku, u-Saule esabafutêla ngentsongelo nembûlalo abafundi be-Nkosi, waya kumbingeleli[1] omkûlu,
2 Wacela kuye incwadi zokuya e-Damasko ezindlwini zesikûngu, ukuze atî etê wafumana abatîle balendlela, amadoda kwa nabafazi, abazise bekônxiwe e-Yerusalem.
3 Kutê-ke ekuhambêni kwakê wasondela e-Damasko; waza ngesiqupê wabanekelwa ngenxa zonke lukânyiso oluvela ezulwini;
4 Wawa emhlabeni, weva izwi lisitî kuye, Saule, Saule, unditshutshisela-nina?
5 Watî-ke yena, Ungubanina, Nkosi? Itê-ke i-Nkosi, Mna ndinguye u-Yesu omtshutshisayo wena. Wenzakala ukâba imviko-nje.
6 Waza egubâ eqîpuke umbilini, watî, Nkosi, ufuna ukuba ndenze nto-nina? Yatî i-Nkosi kuye, Vuka, uye kungena emzini-lowo, woyixelelwa into omelwe kukuyenza.
7 Kekaloku, amadoda abehambâ naye ema enge nakutêtâ, eliva okunene lona izwi, kodwa engaboni mntu.
8 Wavuka-ke u-Saule emhlabeni; watî akuvulwa amehlo akê, akabona mntu; bamkola-ke ngesandla, baza kumngenisa e-Damasko.
9 Waye emihla mitâtû engaboni, engadli, engaseli nokuselâ.

10 Kekaloku, bekukô mfundi utîle e-Damasko, ugama lingu-Hananiya; yatî i-Nkosi kuye embonweni, Wa, Hananiya. Utê-ke yena, Ndikô, Nkosi.
11 *Itê*-ke i-Nkosi kuye, Pâkama uye esi-trateni ekutîwa sesitê-Tye, ubuzise endlwini ka-Yuda *umntu* ogama lingu-Saule wase-Tarso; kuba nanko etândaza;
12 Waye ebone embonweni indoda egama lingu-Hananiya ingena, ibeka isandla pêzu kwakê, ukuze abuye abone.
13 Upêndule-ke u-Hananiya *watî*, Nkosi, ndivile kwabaninzi ngalendoda, ukuba zinkulu kwazo izinto ezimbî, ezenze kwabangewele bakô e-Yerusalem;
14 Nalapâ *ikô-nje* inegunya kubabingeleli[1] abakûlu lokukônxa bonke abo balinqulayo igama lakô.
15 Yatî-ke kuye i-Nkosi, Yiya; ngokuba lowo usisitya esinyuliweyo ndim sokupâtâ igama lam emehlweni en-Tlanga, nokumkani, kwa nonyana baka-Sirayeli;
16 Kuba mna ndiya kumbonisa ukuba zinkulu kwezinto ezinzima, amelwe kukuziva ngenxa yegama lam.
17 Wemka-ke u-Hananiya, waya kungena endlwini; ebeke izandla pêzu kwakê watî, Saule mzalwana, inditûmile i-Nkosi u-Yesu, ebonakele kuwe endleleni oze ngayo, ukuze ubuye ubone, uzaliswe ngu-Moya Oyingcwele.
18 Kwa oko kwawa emehlweni akê izinto ezingatî zinkwetû; wabuya wabona kwa oko, wavuka, wabâptizwa;
19 Watî akuba edlile womelezeka.

Kekaloku, u-Saule waba nemihla etîle kubafundi abase-Damasko.
20 Waye kwa oko ezindlwini zesikûngu emvakalisa u-Kristu, ukuba lowo unguye u-Nyana ka-Tîxo.
21 Batî-nqa-ke bonke abamvayo, batî. Lo kanene asinguye-na owababûqa e-Yerusalem abo babelinqula eligama? waye nalapâ ezele lento, ukuba abase bekônxiwe kubabingeleli[1] abakûlu.
22 Kwaba kukôna-ke womelelayo u-Saule; wabetâ adubadubeka ama-Yuda abemi e-Damasko, ebonakalalisa ukuba lo nguye u-Kristu.

23 Kekaloku, kwakuzaliseka imihla eyaneleyo, abûnga ama-Yuda ukuba amsike.
24 Laziwa-ke ngu-Saule iyelenqe lawo elo. Awagcina-ke namasango imini nobusuku, ukuba amsike.
25 Bamtâbatâ-ke abafundi ebusuku, bamhlisa ngodonga, bemtôba ngengobozi.

26 Kekaloku, akufika u-Saule e-Yerusalem, waman' elinga ukuzibandakanya nabafundi; kodwa bamoyika bonke, bengakôlwa ukuba ungumfundi.
27 U-Barnabas-ke wamtâbatâ wamsa kuba-postile, wabacacisela ukuyibona kwakê i-Nkosi endleleni, nokuba yatêtâ naye, nokutêtâ kwakê ngokungafihlisiyo e-Damasko egameni lika-Yesu.

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-prista.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-prista.

Digitized by Google

28 Waye nabo-ke engena epûma e-Yerusalem, etêtâ ngokungafihlisiyo egameni le-Nkosi u-Yesu.
29 Wamana etêtâ epîkisana nama-Yuda esi-Grike; ayezamela-ke wona ukumsika.
30 Bekwazile-ke oko abazalwana, bamhlisela e-Kesareya, bamtûmela e-Tarso.

31 Laye-ke ngoko ibandla kulo lonke elakwa-Yuda nelase-Galili nelase-Samariya linoxolo, lisakêka; lihambâ liyoyika i-Nkosi, laye lisanda ngentutûzelo yo-Moya Oyingcwele.

32 Kekaloku, akuba u-Petros ebetyûtyâ indawo zonke, wehla weza nakwabangcwele ababemi e-Lida.
33 Wafumana-ke kôna umntu otîle ogama lingu-Eneya, eminyaka isibôzo elele elukûkweni enedumbê.
34 Watî u-Petros kuye, Eneya, uyakupîlisa u-Yesu Kristu; vuka, wandlule. Wavuka kwa oko.
35 Bambona bonke ababemi e-Lida nase-Sharon, babuyela e-Nkosini.

36 Kekaloku, e-Yopa [1] kwakukô mfundikazi utîle, ugama lingu-Tabita, ekutîwa ngentetô evakalayo ngu-Dorkas; yena lowo wayezele yimisebenzi elungileyo nasisisa abenaso.
37 Watî-ke ngalomihla, wahliwa sisifo, wafa; batê-ke bakuba bemhlambîle, bambeka egumbîni elipêzulu.
38 Kekaloku, i-Lida ibi kufupî-nje ne-Yopa, batî abafundi, bevile ukuba u-Petros ukôna, batûma amadoda amabini kuye, bembongoza ukuba eze kubo, angalibali.
39 Wesuka-ke u-Petros, wahambâ nawo. Efikile, bamsa egumbîni elipêzulu; bema ngakuye bonke abahlolokazi belila, bembonisa ukuba zininzi kwazo ingubo zangapântsi nezokwaleka, abezenza u-Dorkas oko ebe nabo.
40 Wabakûpêla pândle-ke bonke u-Petros, waguqa ngamadolo, watândaza; waza eguqukele esidûmbîni watî, Tabita, vuka. Wavula-ke amehlo akê; watî akubona u-Petros, wesuka wahlala.
41 Wamnika-ke isandla sakê, wampâkamisa; wababiza abangcwele nabahlolokazi abo, wammisa pâmbî *kwabo* epîlile.
42 Kwesuka-ke oko kwazeka kuyo yonke i-Yopa; kwakôlwa babaninzi e-Nkosini.
43 Watî-ke wahlala imihla emininzi e-Yopa na-Simon utîle ungumsuki wezikûmbâ.

10 Kekaloku, kwaye kukô e-Kesareya indoda etîle, egama lingu-Korneli, umtêtêli-kûlu wasebutwêni lama-soldati ekutîwa lelase-Itali,
2 Emhlonelayo emoyikayo u-Tixo kunye nayo yonke indlu yayo; ibaliza abantu kunene, kanjalo yayimana ikûnga ku-Tixo.
3 Yabona embonweni kakuhle, malunga nelixa lesitôba lemini, kufika kuyo isitûnywa sika-Tixo, sisitî kuyo, Hina, Korneli.
4 Eqwalasele-ke kuso wangenelwa kukoyika, watî, Yinto-nina, Nkosi? Sitê-ke kuye, Imitândazo yakô namalizo akô anyukile aba sisikûmbûzo emehlweni ka-Tixo.
5 Susa kwa ngoku amadoda, aye e-Yopa, ubize eze u-Simon, ogama limbî lingu-Petros;
6 Yena ulundwendwe luka-Simon umsuki wezikûmbâ, ondlu ingaselwandle; yena lowo uya kukuxelela into omelwe kukuyenza.
7 Kekaloku, sakuba simkile isitûnywaeso besitêtâ no-Korneli, wabiza bababini kubakônzi bakê basendlwini, ne-soldati elimhlonelayo u-Tixo kwabehlal' ehleli naye;
8 Waza ebacacisele zonke indawo, wabatûma e-Yopa.

9 Kekaloku ngengomso bakubon' ukuba basendleleni bona, besondela kuwo umzi, wenyuka u-Petros waya pêzu kwendlu, malunga nelixa lesitândatû, ukuba atândaze:
10 Wesuka-ke walambâ kakûlu, wanga angakê afumane into odliwayo; kutê-ke bakubon' ukuba-ke bayamlungisela, wawelwa litôngo;
11 Wabona izulu liyulekile, kusihla pêzu kwakê sitya sitîle, ngatî yi-linen enkulu ebotshwe kumasondo omane, sitôtyelwa emhlabeni;

[1] I-Yâfo kwi-Test. endala.

Digitized by Google

12 Ekwaye kukô kuso zonke izinto zomhlaba ezizitô zine, namafamncwa nezinambûzane nentaka zezulu.

13 Kwabakô izwi lisitî kuye, Vuka, Petros, xêla udle.

14 Utê-ke u-Petros, Nakanye, Nkosi; ngokuba yonke into eyinqambî nokuba yencôlileyo andizanga ndiyidle.

15 Lapînda izwi okwesibini *latî* kuye, Izinto u-Tîxo azihlambûluleyo, musa u-kuzenza inqambî wena.

16 Kwabakô-ke oku katâtû; sabuya isitya-eso senyuswa sasiwa ezulwini.

17 Kekaloku, xa u-Petros wayetîngaza ngapâkatî kwakê, ukuba ungaba uyintonina umbono-lo awubonileyo, kwasuka kwatî-gqi amadoda abetûnyiwe evela ku-Korneli, ebuza indlu ka-Simon, emi esangweni,

18 Akwaza, ebuza ukuba u-Simon, ogama limbî lingu-Petros, ulundwendwe apâ-na?

19 Kekaloku, akubon'ukuba u-Petros uyacinga ngawo umbono-lowo, watî u-Moya kuye, Nanga amadoda amatâtû ekufuna;

20 Suka uhle uhambê nawo, ungatândabuzi nento, ngokokuba atûnywe ndim.

21 Wehla-ke u-Petros waya kuwo amadoda abetûnyiwe kuye evela ku-Korneli, watî, Niyabona, ndingulowo nimfunayo; ngumcimbî mnina enize ngawo?

22 Atê-ke wona, U-Korneli umtêtêlikûlu, indoda elilungisa, emoyikayo u-Tîxo, kanjalo enqînelwe ukulunga lulo lonke uhlanga lwama-Yuda, uhlatyelwe sisitûnywa esingcwele ukuba akubize uze endlwini yakê, eve amazwi kuwe.

23 Wawabizela pâkatî ngoko, aba lundwendwe lwakê.

Kekaloku ngengomso u-Petros wemka nawo, nabazalwana abatîle base-Yopa bahambâ naye.

24 Baza ngengomso mnye bangena e-Kesareya. Waye-ke u-Korneli ebalindile, wayebizele ndawo-nye imizalwane yakê nezihlobo zakê ezibuhlungu.

25 Kwati-kê, xa angenayo u-Petros, u-Korneli wamhlangabeza, wawa ezinyaweni *zakê*, waqubuda kuye.

26 Utê-ke u-Petros wamvusa, esitî, Pâkama; nam ngokwam ndingumntu.

27 Wangena encokola naye, wabafumana bebutêlene beba ninzi.

28 Kananjalo watî kubo, Niyazi kakuhle nina, ukuba akusesikweni ukuti indoda engum-Yuda inamatêle isondele kowolunye uhlanga; mna-ke u-Tîxo undibonisile, ukuba ndingabizi mntu ngokuti uyinqambî ungoncôlileyo.

29 Kungoko-ke ndizileyo ndingapîkanga ndakubizwa; ndizile-ke ndiyabuza ngoko, ukuba nindibize ngandawo-nina?

30 U-Korneli watî, Sekuntsuku-ne ndizila ukudla kwada kwalelilixa lemini; ngelixa lesitôba-ke benditândaza endlwini yam, kwesuka kwatî-gqi indoda yema pâmbî kwam inengubo eqaqambîleyo,

31 Yatî, Korneli, umtândazo wakô uviwe, namalizo akô akûnjulwe pâmbî ko-Tîxo;

32 Tûmela ngoko e-Yopa, ubize eze u-Simon, ogama limbî lingu-Petros, lowo ulundwendwe endlwini ka-Simon umsuki wezikûmbâ ngaselwandle, oya kûti akufika atêtê nawe.

33 Ndatûmela ngoko kuwe kwa oko; nawe utŷapile ufike. Kaloku ngoko sikô tîna sonke emehlweni ka-Tîxo, ukuze sizive zonke izinto ozimiselweyo ngu-Tîxo.

34 Kekaloku, u-Petros wawuvula umlomo wakê watî,

Ndiyaqiqa okwenyaniso ukuba u-Tîxo akamkêtî wabuso bamntu;

35 Kwintlanga zonke lowo umoyikayo, asebenze ubulungisa, wamkelekile kuye.

36 Ilizwi-elo walitûmelayo konyana baka-Sirayeli, eshumayela indaba ezilungileyo zoxolo ngo-Yesu Kristu, (nguye i-Nkosi yabô bonke,)

37 Nina niyalazi ilizwi elenzekayo kulo lonke elakwa-Yuda, liqalela kwase-Galili emva ko-bâptizo awaluvakalisayo u-Yohane;

38 Okokuba u-Tîxo wamtâmbîsa ngo-Moya Oyingcwele nangamandla u-Yesu wase-Nazarete, owagqiba ilizwe esiza epîlisa bonke abashicilelweyo nguye umtŷoli, ngokuba u-Tîxo ube naye.

39 Tîna singamanqîna ento zonke awazenzayo ezweni lama-Yuda, kwa nase-Yerusalem; abamsikayo ngokumxôma emtîni:

40 Yena lowo u-Tîxo wamvusa ngomhla wesitâtû, wenza ukuba abonakale,

Digitized by Google

41 Kunge kubo abantu bonke, kukumanqîna abenyuliwe ngenx' engapâmbîli ngu-Tîxo, kutî tina sadlayo saselayo naye emveni kokuvuka kwakê kwabafileyo.

42 Wasitêtêla ngelitî, masivakalise ebantwini, siqononondise ukuba yena nguye omisiweyo ngu-Tîxo, ukuba abe ngumgwebi wabapîlileyo nabafileyo.

43 Bonke aba-profeti bayamnqînela yena lo, ukuba ngegama lakê bamkeliswa uxolelo lwezono bonke abakôlwayo kuye.

44 Utê akubon'ukuba usawatêta u-Petros lamazwi, wasuka wabawela u-Moya Oyingcwele bonke ababeliva ilizwi.

45 Amangaliswa amakôlwa olwaluko, onke abeze no-Petros; ngokuba isipô so-Moya Oyingcwele satûlulwa napêzu kwen-Tlanga;

46 Kuba aziva zitêtâ ngalwimi zimbî, zimenza mkûlu u-Tîxo. Wandula wapêndula u-Petros, *watî*,

47 Kukô unakô yinina ukutîntela amanzi, ukuba bangabâptizwa aba bamamkeleyo u-Moya Oyingcwele kwa njengatî-nje?

48 Wamisa ukutî mababâptizwe egameni le-Nkosi. Baza bamcela ukuba akê ahlale intsuku ezitîle.

11 Kekaloku, aba-postile nabazalwana ababe kwelakwa-Yuda beva ukuba nazo in-Tlanga zilamkele ilizwi lika-Tîxo.

2 Utê-ke u-Petros akuba enyuke waya e-Yerusalem, babambâna naye abolwaluko,

3 Besitî, Uye wangena kumadoda angalukileyo, wadla nawo.

4 Waqala-ke u-Petros wabatyilela ngokucacileyo, esitî,

5 Mna ndandisemzini oyi-Yopa nditândaza; ndabona etôngweni umbono, kusihla isitya esitîle, ngatî yi-linen enkulu itôtywa ezulwini ngamasondo omane, yada yaza kufika kum;

6 Enditê ndakuqwalasela kuyo ndaqiqa, ndabona izinto zomhlaba ezizitô zine namafamncwa nezinambûzane nentaka zezulu.

7 Ndeva-ke izwi lisitî kum, Vuka, Petros, xêla udle.

8 Nditê-ke mna, Nakanye, Nkosi; ngokuba yonke into eyinqambî nokuba yenc6lileyo ayizanga ingene emlonyeni wam.

9 Landipêndula-ke izwi okwesibini, lipûma ezulwini *latî*, Izinto azihlambûluleyo u-Tîxo, musa ukuzenza inqambî wena.

10 Oku-ke kwabakô katâtû; zaza zonke ezonto zabuya zafolelwa ezulwini.

11 Gqi! kwa oko amadoda amatâtû ema ngasendlwini ebendikuyo, esuswe e-Kesareya ukuba eze kum.

12 Watî-ke u-Moya kum, mandihambê nawo, ndingatândabuzî nto. Bahambâ-ke nam nababazalwana bobatândatû; sangena endlwini yendoda-leyo;

13 Yasibikela kananjalo ukubona kwayo isitûnywa sezulu endlwini yayo, esemayo satî kuyo, Tûma amadoda e-Yopa, ubize eze u-Simon, ogama limbî lingu-Petros,

14 Oya kutêtâ kuwe amazwi, owosindiswa ngawo wena nayo yonke indlu yakô.

15 Kekaloku, ekuqaleni kwam ukutêtâ u-Moya Oyingcwele wabawela njengoko wasiwelayo natî ekuqaleni.

16 Ndakûmbûla-ke izwi le-Nkosi lokokuba ibitê, U-Yohane okunene wabâptiza ngamanzi, kodwa nina niya kubâptizwa ngo-Moya Oyingcwele.

17 Ukuba ngoko u-Tîxo wabapâ isipô esingangeso wasipâyo natî tîna sakôlwayo e-Nkosini u-Yesu Kristu, mna-ke bendingubanina ukuba ndide ndibe nakô ukumtîntela u-Tîxo?

18 Bakuziva-ke ezozinto, batî-cwaka, bamzukisa u-Tîxo, besitî, Kanti-na-ke nen-Tlanga-ezi u-Tîxo uzipê ukuguqukela ebomini.

19 Abaya kengoko babe zintsali ngembândezelo eyabakô ngo-Stefano, batyutŷa ilizwe, bada *beza* kwelase-Fenike, nase-Kipro, nakwa-Antiyokwe, bengalitêtî bantwini bambî, *belitêtâ* kuma-Yuda odwa.

20 Yaye-ke inxenye kubo ingamadoda ase-Kipro nase-Kirene, eyatî yona yakufika kwa-Antiyokwe, yatêtâ kwawesi-Grike ama-Yuda, ishumayela indaba ezilungileyo ze-Nkosi u-Yesu.

21 Saye-ke isandla se-Nkosi sinawo, kanjalo kwakôlwa inani elikûlu, labuyela e-Nkosini.

22 Lwavakala-ke udaba lwabo ezindlebeni zebandla lase-Yerusalem; bakûpâ u-Barnabas, ukuba ahambê, ade aye kufika kwa-Antiyokwe;

23 Otê akufika walubona ubabalo luka-Tîxo, wavuya, wabavuselela bonke, uku-

Digitized by Google

ba batî ngengqibo yentliziyo bahlale betênca e-Nkosini;
24 Ngokuba ebe yindoda elungileyo, ezele ngu-Moya Oyingcwele nalukôlo. Kongezelelwa e-Nkosini inani elaneleyo.
25 Wemka-ke u-Barnabas, waya e-Tarso esiya kufuna u-Saule;
26 Watî akuba emfumene wamsa kwa-Antiyokwe. Kwatî-ke, umnyaka upêla, bahlangana nebandla, bafundisa inani elaneleyo. Kananjalo abafundi baqala ukubizwa ukuba ngama-Kristu kwa-Antiyokwe.

27 Kekaloku ngalomihla kwehla aba-profeti, besuka e-Yerusalem beza kwa-Antiyokwe.
28 Kwesuka-ke omnye wabo, ogama lingu-Agabo, waqondisa ngaye u-Moya ukuba kuza kubakô indlala enkulu kulo lonke elimiweyo; eyabakô-ke ngemihla ka-Klaudiyo Kesare.
29 Kubo-ke abafundi, njengoko utîle ebe nabo ubutyebi, watî elowo kubo wagqiba ukutûmela into yokubanceda abazalwana ababemi kwelama-Yuda;
30 Abatê bakwenza nokukwenza, batûmela kuwo amadoda amakûlu ngesandla sika-Barnabas no-Saule.

12 Kekaloku ngeloxesha u-Herode ukumkani wabesa izandla abatîle balo ibandla ukuba abapâtê kakubi;
2 Wambulala-ke u-Yakobi umzalwana ka-Yohane ngerele.
3 Wati, akubona ukuba *oko* kuwakôlisile ama-Yuda, waqokela ngokubambâ no-Petros; (yaye-ke iyimihla yezonka ezinge nagwele leyo;)
4 Akuba-ke embambîle wamfaka entolongweni, wamnikela kumaqela amane ama-soldati angamane, ukuba amgcine; enxâmele ukuze emveni kwe-Pasika amkûpê amse ebantwini.
5 Wagcinwa ngoko okunene u-Petros entolongweni; ke kwatândazwa libandla ngenyameko ku-Tîxo ngenxa yakê.
6 Xa-ke u-Herode wayeza kumkûpâ, u-Petros ngobobusuku wayelele pâkatî kwama-soldati amabini, ekônxiwe ngemixokelelwane emibini; baye nabalindi beyigcinile intolongo pâmbî kwesango.
7 Babona ngesitûnywa se-Nkosi sisitîgaga pêzu kwakê, kwakânya nokukânya kwelogumbî lentolongo; sambetâ ecaleni u-Petros, samvusa, sisitî, Pâkama msiya. Yawa imixokelelwane yakê ezandleni.
8 Satî kanjalo isitûnywa eso kuye, Bînqa, ubopê izixatûla zakô. Wenje njaloke. Sitî kuye, Yitî-wambû ingubo yakô, undilandele.
9 Wapûma, wasilandela; wayengazi ukuba iyinene lento yenziweyo ngesitûnywa eso, ebeba-ke ubone umbono.
10 Begqitile-ke kwelokuqala nakwelesibini iqela labalindi, bafika esangweni lentsimbî elibêkisa kuwo umzi, elatî lavuleka kubo ngokwalo; bakupûma bahambâ isi-trate sasinye; satî kwa oko semka isitûnywa eso kuye.
11 Waza u-Petros akuziqonda watî, Kaloku ndiyazi okwenyaniso, ukuba i-Nkosi itûme isitûnywa sayo, yandihlutâ esandleni sika-Herode nakuko konke ukulindela kwabantu bama-Yuda.
12 Utê-ke akuqonda lonto weza endlwini ka-Mariya unina ka-Yohane, ogama limbî lingu-Marko, apô bekuqukene kôna into eyaneleyo itândaza.
13 Akubon' ukuba-ke unqonqozile u-Petros elucangweni lwesango, kweza kupûlapûla isicakazana esigama lingu-Roda.
14 Silazile-ke izwi lika-Petros, asilivulanga isango ngenxa yokuvuya, sabalekelake pâkatî, saxela ukuba u-Petros umi pâmbî kwesango.
15 Batê-ke bona kuso, Uyageza, Saqinisela-ke satî, Hayi, kunjalo. Babesitîke bona, Sisitûnywa sakê.
16 Utê-ke u-Petros wamana enqonqoza; batî-ke bakuvula bambona, batî-nqa.
17 Uwangawangisile-ke ngesandla kubo, ukuba batî-cwaka, wabacacisela ukumkûpâ kwayo i-Nkosi entolongweni. Watîke, Babikeleni o-Yakobi nabazalwana ezizinto. Wapûma waya kwenye indawo.
18 Kekaloku, kwakusa ayibanga ncinane inkatâzeko pâkatî kwama-soldati, yokuba angaba utê-nina u-Petros.
19 Utê-ke u-Herode akub' emfuna engamfumani, wabancina abalindi, watî makumkiwe nabo *baye kubulawa*. Waza wehla kwelakwa-Yuda, waya e-Kesareya, walibala kôna.

20 Kekaloku, u-Herode wayebaqumbele kakûlu abase-Tire nabase-Tsidon; besa-ke kuye bemxêlo mnye; batî, bemtômalalisile u-Blasto obepêtê igumbî lokulala u-

Digitized by Google

kumkani, bazicelela uxolo, ngenxa yokuba ilizwe labo belisondliwa lelokumkani.

21 Kekaloku, u-Herode ngemini emisiweyo, ambêtê ingubo yobukumkani, wahlala e-troneni yakê, wawisa ukutêtâ kwakê kubo.

22 Baduma-ke abantu, besitî, Lizwi lotîxo elo, asilamntu.

23 Samtî-qwaka-ke kwa lapô isitûnywa se-Nkosi, ngenx' enokuba engamzukisanga u-Tîxo; wadliwa zimpetû, wapûma umpêfumlo.

24 Laye-ke likûla lisanda ilizwi lika-Tîxo.

25 Kekaloku, u-Barnabas no-Saule babuya e-Yerusalem, belufezile ulungiselelo olo, betâbatê nabo u-Yohane, ogama limbî lingu-Marko.

13 Kekaloku, kwaye kukô kwa-Antiyokwe, ebandleni ebelikôna, abaprofeti, nabafundisi abatîle, abango-Barnabas, no-Simon ekutîwa ngu-Nigere, no-Lukiyo wase-Kirene, kwa no-Manayen owondliwa no-Herode umpâtî wesahlulo sesine, no-Saule.

2 Bakubon' ukuba-ke bayabusa e-Nkosini, bezila ukudla, watî u-Moya Oyingcwele, Ndahluleleni-kê u-Barnabas kwa no-Saule, baye emsebenzini endibabizele kuwo.

3 Batê-ke, bakuba bezile ukudla batândaza, babeka nezandla pêzu kwabo, babandulula.

4 Bona kengoko, bakutûnywa ngu-Moya Oyingcwele, behla baya kwa-Seluki; kanjalo besuka apô ngomkômbê baya e-Kipro.

5 Batê bakufika e-Salamis, balishumayela ilizwi lika-Tîxo ezindlwini zesikûngu zama-Yuda. Baye-ke beno-Yohane ebancedisa.

6 Besigqibile-ke isiqiti ngokuhambâ bada bafika e-Pafo, bafumana siyazi utîle, ungum-profeti wobuxoki, um-Yuda ogama lingu-Bar-yesu;

7 Owayehlala kwibambâ u-Sergiyo Paulos, indoda enokuqonda; eyababizela kuyo o-Barnabas no-Saule, yanxâmela ukuliva ilizwi lika-Tîxo.

8 Wamelana nabo-ke u-Elima, usiyazilowo, (kuba litsho igama lakê lakutêtwa ngentetô evakalayo), efuna ukulijika ibambâ-elo elukôlweni.

9 Kekaloku u-Saule, okwangu-Paulos, ezele ngu-Moya Oyingcwele, wamjonga,

10 Watî, Wena uzeleyo yiyo yonke inkohliso, nabubo bonke ubutshijolo, nyanandini womtŷoli, lutshabandini lobulungisa bonke, akuyi kupêza-na ukuzijika indlela ezitê-tye ze-Nkosi?

11 Uyabona, nangoku isandla se-Nkosi sipêzu kwakô; uya kuba yimfama, kube mzuzu ungaliboni ilanga. Kwalapô-ke wawelwa lufatyazo nobumnyama; wayepâmzela efuna abangamfola ngesandla.

12 Litê-ke ibambâ, lakukubona oko kwenzekileyo, lakôlwa, likwanqisiwe yiyo imfundiso ye-Nkosi.

13 Kekaloku, bakunduluka ngomkômbê e-Pafo abo babe no-Paulos, beza e-Perga yelase-Pamfili. Wahlukana-ke nabo u-Yohane, wabuyela e-Yerusalem.

14 Bendulukile-ke bona e-Perga, batyûtyâ beza kufika kwa-Antiyokwe kwelase-Pisidi. Bangena endlwini yesikûngu ngomhla we-sabatâ, bahlala pântsi.

15 Kekaloku emva kokuleswa komtêtô naba-profeti, abapâtî bendlu yesikûngu batûmela kubo besitî, Madoda bazalwana, ukuba ninelizwi lokuvuselela abantu, têtâni.

16 Usukile-ke u-Paulos wawangawangisa ngesandla, watî,

Madoda ma-Sirayeli, nani nimoyikayo u-Tîxo, pûlapûlani.

17 U-Tîxo wabantu ama-Sirayeli wabanyula obawo betû, wabapâkamisa abantu ekupâmbûkeleni *kwabo* emhlabeni wase-Yiputa, wabakûpâ kuwo ngengalo epâkamileyo.

18 Watî ngexesha eliyiminyaka engatî imashumi mane wayitwala imikwa yabo entlango;

19 Watî, akuwisa intlanga ezisixênxe emhlabeni wakwa-Kanan, wababela umhlaba wazo ngeqashiso.

20 Emva koko, iminyaka engatî imakûlu mane anamanci mahlanu, wabanika abalauli, kwada kwaku-Samuweli um-profeti.

21 Emva koko bacela ukumkani, u-Tîxo wabanika u-Saule unyana ka-Kishe, indoda yesizwe sakwa-Benyamin, iminyaka emashumi mane.

22 Akumkûpâ yena, wabavelisela u-Da-

Digitized by Google

vide wangukumkani, awamnqînelayo kanjalo, watî, Ndimfumene u-Davide oka-Isayi, indoda engantliziyo yam, eya kukwenza konke ukutânda kwam.

23 Embêwini yalowo utê u-Tîxo ngokwedinga wavelisa u-Yesu, ukuba abe ngum-Sindisi ku-Sirayeli;

24 Kwakubon'ukuba u-Yohane uvakalise tanci, pâmbî kokungena kwakê, ubâptizo loguquko kubo bonke abantu bakwa-Sirayeli.

25 Xa-ke u-Yohane ebesekulufezeni uhambô *lwakê* ubesitî, Nitî ndingubanina nina? Andinguye mna; yabonani, kuza emva kwam endingafanelekileyo ukuba ndizitûkulule imbâdada ezinyaweni zakê.

26 Madoda bazalwana, nyana bomlibo wakwa-Abraham, nabo pâkatî kwenu bamoyikayo u-Tîxo, ilizwi lolulusindiso latûnyelwa kuni.

27 Kuba abo bemiyo e-Yerusalem nabapâtî babo, bengamazanga lowo, namazwi aba-profeti aleswayo isabatâ nge-sabatâ zonke, bawazalisa ngokumgweba;

28 Batî bengafumananga nalinye ityala lokufa, bacela ku-Pilato ukuba asikwe.

29 Xa-ke babezifezile zonke izinto ezibâliweyo ngaye, bamtûla emtîni, bambeka encwâbeni.

30 Utê-ke u-Tîxo wamvusa kwabafileyo.

31 Yena lowo wabonakalayo imihla emininzi kwabo benyuka naye bevela kwelase-Galili besiya e-Yerusalem, bangawo bona abo amanqîna akê ebantwini.

32 Natî sinishumayeza indaba ezilungileyo zedinga elo labakô kobawo betû,

33 Zokokuba u-Tîxo ulizalisile lona kutî bantwana babo ngokumvusa u-Yesu; njengokuba nasen-Dumisweni yesibini kubâliwe *kwatîwa:* Wena ungu-Nyana wam, ndikuzele mna namhla.

34 Malunga-ke nokumvusa kwakê kwabafileyo, angabi sabuyela ekuboleni; useletê ukutêtâ: Ndiya kuninika inceba eziqinisekileyo zika-Davide.

35 Kungoko atî nakwenye in-Dumiso: Akuyi kumvekela Oyingcwele wakô ukuba abone ukubola.

36 Kuba u-Davide okunene, akuba elisebenzele kwesakê isizukulwana icebo lika-Tixo, walala ubutôngo, wabekwa koyise, wakubona ukubola;

37 Ke yena owavuswayo ngu-Tîxo akabonanga kubola.

38 Makwazeke ngoko kuni, madoda bazalwana, ukuba ngaye lowo kuxelwa kuni uxolelo lwezono;

39 Nakuzo zonke izinto, ebeninge nakô ukugwetyelwa *nikûluleke* kuzo ngomtêtô ka-Moses, bonke abakôlwayo bayagwetyelwa ngaye yena lowo.

40 Lumkani-ke ngoko, ningafikelwa koko kutêtîweyo eba-profetini *kusitîwa*,

41 Bonani nina badeli, nimangaliswe, nitî-shwaka;
Ngokuba mna ndisebenza umsebenzi ngemihla yenu,
Umsebenzi eningasayi kukôlwa kuwo, nokuba kukô otî anicacisele. u-Hab. 1, 5.

42 Kekaloku, akubon' ukuba ayapûma ama-Yuda endlwini yesikûngu, babongoza aben-Tlanga, ukuba lamazwi atêtwe kubo nge-sabatâ ezayo.

43 Sakubon' ukuba-ke sicîtâkele isikûngu, into eninzi yama-Yuda neyabangene ebu-Yudeni, abamhlonelayo u-Tîxo, yabalandela o-Paulos no-Barnabas; abatî bona, betêtâ kubo, babeyisela ekutîni mabahlale behleli elubabalweni luka-Tîxo.

44 Kutê-ke ngelandelayo i-sabatâ wapânts' ukuhlanganisana umzi wonke, ukuba ulive ilizwi lika-Tîxo.

45 Kekaloku ama-Yuda, akuyibona indimbâne, azala ngumona, azipîka izinto ebezitêtwa ngu-Paulos, apîka enyelisa.

46 Batêtâ-ke ngokungafihlisiyo u-Paulos no-Barnabas, batî, Bekufuneke ukuba litêtwe kuni kuqala ilizwi lika-Tîxo; ekubeni-ke niligibile, nazigweba ukuba anibufanele ubomi obungunapâkade, niyabona, sibêka kuzo in-Tlanga.

47 Kuba isiwisele umtêtô ngokunjalo i-Nkosi, *yati*,
Ndikubekile, ukuba ube lukânyisele lwen-Tlanga,
Ukuze ube ngowosindiso kude kuse ekupêleni komhlaba. u-Yes. 42, 6.

48 Bakuva-ke oko aben-Tlanga, bavuya, balizukisa ilizwi le-Nkosi; bakôlwa bonke ababemiselwe ubomi obungunapâkade.

49 Laye-ke ilizwi le-Nkosi lihanjiswa kulo lonke ilizwe-elo.

50 Kekaloku, ama-Yuda abaxôkonxa abafazi ababehlonela u-Tîxo, ababekekileyo, nabanini-mzi; abaxôxêla intshutshi-

Digitized by Google

so o-Paulos no-Barnabas, abakûpâ emideni yawo.

51 Batê-ke bona bawavutûlulela utûli lwenyawo zabo, beza e-Ikoniyo.

52 Baye-ke abafundi bezaliswe luvuyo nangu-Moya Oyingcwele.

14 Kwatî-ke e-Ikoniyo bangena kunye endlwini yesikûngu yama-Yuda, batêtâ ngokokude kukôlwe inkitâ enkulu yama-Yuda kwa nama-Grike.

2 Asuka-ke wona ama-Yuda angavumiyo ukuva, ayenza yamibi imipêfumlo yaben-Tlanga ngakubo abazalwana.

3 Balibala kengoko ixesha elaneleyo, betêtâ ngokungafihlisiyo nge-Nkosi, eyalinqînelayo ilizwi lobabalo lwayo, inika nokuba kwenzeke imiqondiso nezimanga ngezandla zabo.

4 Yahlulelana-ke inkoliso yomzi; inxenye yangakuma-Yuda, inxenye yangakuba-postile.

5 Batê-ke bakubon' ukuba aben-Tlanga nabangama-Yuda, kunye nabapâtî bawo, banxâmele ukubapâtâ kakubi, babagibisele ngamatye,

6 Bakuqiqa oko bona, basabela emizini yelase-Likawoni, i-Listra ne-Derbe, nakulomimandla:

7 Baye bezishumayela nalapô indaba ezilungileyo.

8 Kwakuhleli-ke indoda etîle e-Listra, efe inyawo, isisiqwala kwasesizalweni sonina, ingazanga ihambê,

9 Yona leyo yayimva u-Paulos etêtâ; owatî eqwalasele kuyo, ebona ukuba inokôlo lokusindiswa;

10 Watî ngezwi elikûlu, Suk' ume ngenyawo zakô utî-nqo; yesuka umtsi, yahambâhambâ.

11 Kekaloku indimbâne, yakukubona oko akwenzileyo u-Paulos, yapâkamisa izwi layo ngokwesi-Likawoni, isitî, Otîxo bahlile beza kutî, befana nabantu.

12 Kanjalo yayimbiza u-Barnabas ngokuti ngu-Zeyus,[1] no-Paulos ngokutî ngu-Hermes,[2] ekubeni-ke ibinguye obesitêtî.

13 Kutê-ke umbingeleli ka-Zeyus[1] obepâmbî komzi wabo, wazisa inkunzi zenkomo nezidanga zentyantyambô emasangweni, wafuna ukubingelela kunye nendimbâne.

14 Bekuvile-ke oko aba-postile o-Barnabas no-Paulos, baziŕazula ingubo zabo, batsiba pâkatî kwendimbâne, bedanduluka,

15 Besitî, Madoda, yinina ukuba nenjenje? Natî singabantu abeva enikuvayo nina, sinishumayeza indaba ezilungileyo zokuba nibuye kwabatîxo bange nto, nibuyele ku-Tîxo opîlileyo, owenza izulu nomhlaba nolwandle, nento zonke ezikwezonto;

16 Owatî ezizukulwaneni ezadlulayo waziyeka zonke intlanga, ukuba zihambê ngezazo indlela;

17 Kanti-ke noko akayekanga ukuzinqînela, esenza okulungileyo, esinika imvula evela ezulwini, namaxesha anendyebo ezanelisa intliziyo zetû ngokudla nangemihlali.

18 Besitsho, kwaba ngenkankulu ukuyidambîsa indimbâne, ukuba ingabingeleli kubo.

19 Kekaloku, kwafika ama-Yuda evela kwa-Antiyokwe nase-Ikoniyo, ayixôkonxa indimbâne, amxuluba ngamatye u-Paulos, amfolela ngapândle komzi, eba ufile.

20 Utê, bakubon' ukuba bamngqongileke abafundi, wavuka waya kungena kuwo umzi. Ngengomso wapûma eno-Barnabas, waya e-Derbe.

21 Bewushumayezile lomzi indaba ezilungileyo benze nabafundi abaneleyo, babuya beza e-Listra, nase-Ikoniyo, nakwa-Antiyokwe,

22 Besomeleza imipêfumlo yabafundi, bebavuselela ukuba bahlale behleli elukôlweni, besitî simelwe kupûmela ezimbândezelweni ezininzi ukungena ebukumkanini buka-Tîxo.

23 Batê-ke bakuba benyule amadoda amakûlu kwibandla ngebandla, betândazile kunye nokuzila ukudla, bawayaleza e-Nkosini awayekôlwe kuyo.

24 Betyûtye elase-Pisidi, bafika kwelase-Pamfili.

25 Batî, belitêtîle ilizwi e-Perga, behla baya kwa-Atali.

26 Besuka kon'apô ngomkômbê, baya kwa-Antiyokwe, apô babenikelwe kôna elubabalweni luka-Tîxo, ukuba baye emsebenzini, lo-ke bawufezileyo.

27 Befikile-ke, balihlanganisa ibandla, balibikela oko zingako izinto awazenzayo u-Tîxo enabo, nokokuba in-Tlanga wazivulela ucango lokôlo.

[1] Jupiter. [2] Mercurius.

Digitized by Google

28 Balibala-ke kôn' apô ixesha elinge lincinane ndawo-nye nabafundi.

15 Kwehla abatîle bevela kwelakwa-Yuda, babafundisa abazalwana, *besiti*, Ukuba anitânga nalûswe ngokwesiko lika-Moses, aninakô ukusindiswa.

2 Kutê ngoko, kwakubon'ukuba u-Paulos no-Barnabas baba nempîkiswano nembûzwano enge ncinane nabo, kwagqitywa kwelokuba u-Paulos no-Barnabas, nabanye abatîle kubo, mabenyuke baye kuba-postile namadoda amakûlu e-Yerusalem ngawo lombuzo.

3 Batî kengoko, bepêlekelelwe libandla, balityûtya elase-Fenike nelase-Samariya, bexela ukuguquka kwazo in-Tlanga; babanga uvuyo olukûlu kubo bonke abazalwana.

4 Befikile-ke e-Yerusalem, bamkelwa libandla nangaba-postile nangamadoda amakûlu; kananjalo babika ukuba zinkulu kwazo izinto awazenzayo u-Tîxo enabo.

5 Kwasuka kwema-ke abatîle abakôliweyo behlelo laba-Farisi, besitî, Bamelwe kukuba baluke, nokutî batêtêlwe ngelitî mabawugcine umtêtô ka-Moses.

6 Bahlanganisana-ke aba-postile namadoda amakûlu, ukuba bayikângele londawo.

7 Kekaloku kwakubon'ukuba kubekô imbûzwano enkulu, wesuka u-Petros watî kubo,

Madoda bazalwana, niyazi kakuhle nina, ukuba u-Tîxo kwa ngemihla yakudala wanyula pâkatî kwetû, ukuba in-Tlanga zilive ngawo umlomo wam ilizwi lendaba ezilungileyo, zikôlwe.

8 U-Tîxo, umazi-ntliziyo, wazinqinela, ezinika u-Moya Oyingcwele kwa njengatî;

9 Akacalula pâkatî kwetû nazo, ezihlambûlule intliziyo zazo ngokôlo.

10 Pôfu-ke nimlingela-nina u-Tîxo ngokubeka idyokwe entanyeni yabafundi, esibe singe namandla okuyitwala tîna kwa nobawo betû?

11 Ke ngalo ubabalo lwe-Nkosi u-Yesu Kristu siyakôlwa ukuba sisindiswa, kwa ngohlobo *ezisindiswa* ngalo nazo.

12 Yati-cwaka-ke yonke inkitâ yabantu yapûlapûla o-Barnabas no-Paulos becacisa oko yayingako imiqondiso nezimanga, awazenzayo u-Tîxo pâkatî kwazo in-Tlanga ngabo.

13 Kekaloku, emva kokutî-cwaka kwabo, wapêndula u-Yakobi esitî,

Madoda bazalwana, ndipûlapûlenî.

14 U-Simon-lo ukucacisile ukuba watînina ekuqaleni u-Tîxo ukuzivelela in-Tlanga, ukuba kuzo alinyulele abantu elakê igama.

15 Ayavumelana nako oko amazwi abaprofeti, njengokuba kubâliwe *kwatîwa*,

16 Emvenî koku ndiya kubuya,
Ndize ndibuye ndiwakê umnquba owileyo ka-Davide,
Amanxuwa awo ndibuye ndiwakê kanjalo,
Ndibuye ndiwumise;

17 Okokuze amaqongqolo abantu ayifune i-Nkosi,
Zifune zonke in-Tlanga ezibizwe ngalo igama lam,
Itsho i-Nkosi, leyo izenzayo zonke ezizinto.

18 Iyaziwa-ke ngu-Tîxo kuselokwapâkade yonke imisebenzi yakê.

u-Am. 9, 11. 12.

19 Kungoko mna ndigqiba kwelitî, masingabakâtâzi abo ben-Tlanga babuyelayo ku-Tîxo;

20 Kodwa masibabâlele ukuba bazikwebule kwizincôliso zezitîxo, nombulo, nento erwitshiweyo, negazi.

21 Kuba u-Moses kwa kwizizukulwana zakudala unabamvakalisayo kwimizi ngemizi, eleswa ezindlwini zesikûngu-ezi isabatâ nge-sabatâ.

22 Kwaza kwabonakala kulungile kuba-postile nakumadoda amakûlu, ndawonye nalo ibandla lipêla, ukuba banyule amadoda kwakubo, bawatûme kwa-Antiyokwe ndawo-nye no-Paulos no-Barnabas; ango-Yuda ogama limbî lingu-Barsabas, no-Silas, amadoda angabakôkeli kubazalwana;

23 Babâla *incwadi* ngesandla sawo besitî, Aba-postile namadoda amakûlu nabazalwana bayabulisa kubo abazalwana basezin-Tlangeni abakwa-Antiyokwe nakwelase-Siriya nakwelase-Kiliki:

24 Ekubeni-ke sivile ukuba abatîle kutî bapûma baya banikâtâza ngamazwi, beyikukulisa imipêfumlo yenu, besitî,

Digitized by Google

makwalukwe, kugcinwe umtêtô, esingabayalelanga wona;
25 Kwabonakala kulungile kutî simxêlo mnye, ukuba sinyule amadoda ukuba siwatûme kuni ndawonye nentânda zetû u-Barnabas no-Paulos,
26 Abantu ababuncamileyo ubomi babo ngenxa yegama le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
27 Sibatûmile ngoko o-Yuda no-Silas, abotî nabo banibikele ezindawo ngomlomo.
28 Kuba kwabonakala kulungile kuye u-Moya Oyingcwele, nakutî, ukuba kungabekwa pêzu kwenu mtwalo ungapêzu kwezindawo zifunekayo,
29 Zokuba nizile izinto ezibingelelwe kwizitfixo, negazi, nento efwitshiweyo, nombulo; enotî, nakuzigcina kuzo, nibe niyalungisa. Hlalani kakuhle.

30 Batê kengoko, bakunduluka, beza kwa-Antiyokwe; bawuhlanganisa umhlamubî *wabazalwana*, bayinikela incwadi-lêyo.
31 Beyilesile-ke bona, baluvuyela utûtûzelo-olu.
32 Kekaloku o-Yuda no-Silas, kuba bengaba-profeti nabo, babatûtûzela abazalwana ngokutêtâ okukûlu, babomeleza.
33 Bakuba-ke benze ixesha, banduluka bexolile kubazalwana, baya kuba-postile.
34 Kodwa ku-Silas kwabonakala kulungile ukuba akê ahlale kôna.
35 Balibala-ke o-Paulos no-Barnabas kwa-Antiyokwe, befundisa beshumayela indaba ezilungileyo zelizwi le-Nkosi, kwa nabanye abaninzi.

36 Kekaloku, emva kwemihla etile watî u-Paulos ku-Barnabas, Makê sibuye siye kuvelela abazalwana betû kuyo yonke imizi ngemizi, esalazisayo kuyo ilizwi le-Nkosi, *sibone* ukuba banjanina.
37 Kekaloku, u-Barnabas wanxâmela ukuba batâbatê nabo u-Yohane ekutîwa ngu-Marko;
38 Kodwa u-Paulos watî akufanelekile ukumtâbatâ ahambê nabo lowo wemkayo kubo kwelase-Pamfili, akaya nabo emsebenzini.
39 Kwabakô ngoko amazwi abukâli pâkatî kwabo, ngokokuba bahlukane; atî u-Barnabas amtâbatê u-Marko, anduluke ngomkômbê aye e-Kipro;
40 Kodwa u-Paulos wanyula u-Silas, wemka, enikelwe kubabalo luka-Tixo ngabazalwana.
41 Walityûtŷa-ke elase-Siriya nelase-Kiliki, ewomeleza amabandla.

16 Kekaloku wafika e-Derbe nase-Listra. Kwabonakala kukô mfundi utile apô, ugama lingu-Timoti, unyana wentokazi etile engum-Yudakazi okôliweyo, kodwa uyise engum-Grike;
2 Obenqînelwe kakuhle ngabazalwana base-Listra nase-Ikoniyo.
3 Lowo u-Paulos watânda ukuba apûme naye; wamtâbatâ wamalûsa ngenxa yama-Yuda abe kwezondawo; kuba bonke babemazi uyise ukuba ungum-Grike.
4 Kekaloku, xa babeyihambâ imizi, babanikela imimiselo ukuba bayigcine leyo ibimiswe ngaba-postile namadoda amakûlu ase-Yerusalem.
5 Ayezimaseka-ke ngoko amabandla elukôlweni, esanda ngenani imihla ngemihla.

6 Kekaloku, bakulityûtŷa ilizwe lase-Frigi nelase-Galati, balelwa ngu-Moya Oyingcwele ukulitêtâ ilizwi kwelase-Asiya,
7 Befikile kwelase-Misi, balinga ukuya nakwelase-Bitini, kodwa akabavumelanga u-Moya-lowo;
8 Badlula-ke kwelase-Misi, behla baya e-Trowa.
9 Kwabonakala umbono ku-Paulos ebusuku. Kwema ndoda itile yelase-Makedoni imbongoza, isitî, Wela uze kwelase-Makedoni, usisize.
10 Kekaloku, akuwubona umbono-lowo, safuna tîna kwa oko ukupûma siye kwelase-Makedoni, sigqibê kwelitî i-Nkosi isibizele, ukuba sibashumayeze indaba eziLungileyo.

11 Sinduluke ngoko ngomkômbê e-Trowa, satî-ngqo ukuya e-Samotraki, satî ngengomso seza e-Neyapoli;
12 Ukusuka apô seza kwa-Filipu, owona mzi wokuqala wecala-elo lilelase-Makedoni, uyi-koloni. Salibala-ke kulomzi imihla etîle.
13 Satî ngomhla we-sabatâ sapûma saya ngapândle komzi ngasemlanjeni, apô umtândazo ubasakwenziwa kôna; sahla-

Digitized by Google

la pântsi, samana sitêtâ kubafazi ababebutêlene *kôna*.

14 Kwaye kupûlapûla intokazi etîle egama lingu-Lidiya, umtêngisi wengubo ezibomvu womzi we-Tiyatira, emhlonelayo u-Tîxo, entliziyo yayivulayo i-Nkosi, ukuba izinyamekele izinto ezazitêtwa ngu-Paulos.

15 Kekaloku, yakuba ibâptiziwe nendlu yayo, yasibongoza isitî, Ukuba nitî ndikôliwe e-Nkosini, ngenani endlwini yam, nihlale. Yasizama.

16 Kekaloku kwatî, kwakubon' ukuba siyaya endaweni yokutândaza, sahlangatyezwa sisicakazana esitîle sinomoya wemilozi, sona besizizuzisa inkosi zaso inzuzo enkulu ngokuvumisa.

17 Sona eso sitêne-mbênde no-Paulos natî, samana sidanduluka, sisitî, Ababantu bangabakônzi baka-Tîxo Osenyangweni, bona basazisayo indlela yosindiso.

18 Oko-ke sakwenza sona imihla emininzi. Ebindekile-ke u-Paulos, watî-guqugu watî kuwo umoya, Ndiyakutêtêla ngegama lika-Yesu Kristu ukuba upûme kuso. Wapûma-ke kwa ngelolixa.

19 Kekaloku, zakubona inkosi zaso ukuba lipûmile itêmba lenzuzo yazo, zababambâ o-Paulos no-Silas, zabafolela endaweni yembutô, kubapâtî;

20 Zabazisa kubo abatêtêli, zatî, Ababantu bayawukâtâza kakûlu umzi wetû, bengama-Yuda,

21 Basifundisa amasiko ekungavumelekileyo ukuba siwamkele, nokuba siwenze, singama-Roma.

22 Indimbâne yabahlanganŷela; nabatêtêli bazitî-qwengeqwenge ingubo zabo, batî mababetwe ngentswazi.

23 Batî, bakuba bebabetê imivumbô emininzi, babapôsa entolongweni, bamtêtêla umgcini wababanjwa ukuba abagcine ngokunqabileyo;

24 Owatî, amkele utêtêlo olunjalo, wabapôsa kwengapâkatî intolongo, waziqinisa inyawo zabo emtîni.

25 Kekaloku, malunga pâkatî kobusuku, o-Paulos no-Silas babetândaza bevuma elokudumisa u-Tîxo; babepûlapûlake ababanjwa.

26 Kwabakô-ke ngequbuliso unyikimo olukûlu lomhlaba, ngokokude zizanyazanyiswe iziseko zentolongo; zavuleka kwa oko ingcango zonke, atûkululeka amakâmandela abo bonke.

27 Etê-tyîti-ke ebutôngweni umgcini wababanjwa, ebona ingcango zentolongo zivulekile, wafola ifele, eza kuzibulala, eba ababanjwa babalekile.

28 U-Paulos wabiza-ke ngezwi elikûlu, watî, Ungazenzakalisi; kuba sikô sonke apâ.

29 Ebize-ke izibane watsiba pâkatî, waza egubâ wawa pântsi pâmbî ko-Paulos no-Silas.

30 Wabazisa pândle, watî, Zinkosi, ndimelwe kukutî nina ukuze ndisindiswe?

31 Batî-ke bona, Kôlwa kuyo i-Nkosi u-Yesu Kristu, wosindiswa wena nendlu yakô.

32 Balitêtâ kuye ilizwi le-Nkosi, nakubo bonke abebe sendlwini yakê.

33 Wabatâbatâ ngelolixa lobusuku, wayihlambâ imivumbô yabo; wabâptizwa yena kwa lapô, nabo bonke abakê,

34 Kananjalo, ebanyuse wabasa endlwini yakê, wabeka ukudla pâmbî *kwabo*, wagcoba nendlu yakê yonke kub' ekôlwa ku-Tîxo.

35 Kwakusa abatêtêli batûma ama-dindala, besitî, Bakûlule abobantu.

36 Uwaxelile-ke umgcini wababanjwa lamazwi ku-Paulos, *watî*, Abatêtêli batûmele ukuba nikûlulwe; ke ngoko pûmani, nihambê ngoxolo.

37 Utê-ke u-Paulos, kuwo, Basityabule ekuhleni singagwetywanga, sibantu bangama-Roma, basipôsa entolongweni; ngoku basikûpâ ngasese-na? nakanye, mabeze bona ngokwabo basikûpê.

38 Awaxela-ke lamazwi ama-dindala kubatêtêli; boyika, bakuva ukuba bangama-Roma.

39 Beza bababongoza, babakûpâ, babacela ukuba bapûme kuwo umzi.

40 Bepûmile-ke entolongweni, baya kungena kwa-Lidiya; batî, bebabonile abazalwana, babayala, bemka.

17 Kekaloku bakuba beyihambile i-Amfipoli ne-Apoloni, beza e-Tesalonika, apô yayikôna indlu yesikûngu yama-Yuda.

2 Ngokwesiko-ke lika-Paulos wangena kuwo, waye i-sabatâ ezintatû exoxa nawo etâbatâ ezibâlweni,

Digitized by Google

3 Etŷila ebeka pâmbî kwawo ukuba u-Kristu ubemelwe kukuva ubunzima, aze avuke kwabafileyo; nokutî nguye-ke u-Kristu [1] lo-Yesu ndinazisa yena mna.

4 Inxenye kuwo yoyiseka, yazibandakanya no-Paulos no-Silas, kwa nenkitâ enkulu yama-Grike amhlonelayo u-Tîxo, nakubafazi abazintloko ababi mbâlwa.

5 Kekaloku ama-Yuda angoyisekileyo, enomsindo, azitâbatêla amadoda atîle angendawo angamahilihili, enza ibubu, awupîtizelisa umzi, ayifikela nendlu ka-Yason, efuna ukubaŕolela eluntwini.

6 Akuba engabafumananga-ke, amŕolela u-Yason nabazalwana abatîle kubapâtî bomzi, ebômbôloza *esiti*, Aba baliqungaqungileyo elimiweyo, bona bafikile nalapâ;

7 Atê u-Yason wabamkela ngobubele; baye bonke aba besenza okucâsene nemimiselo ka-Kesare, besiti, Kukô kumkani wumbî ungu-Yesu.

8 Ayikâtâza-ke indimbâne nabapâtî bomzi, bakuziva ezizinto.

9 Betâbatê isibambîso ku-Yason nakwabanye, babakûlula.

10 Kekaloku batî abazalwana kwa oko bamndulula u-Paulos no-Silas ngobusuku, ukuba baye e-Bereya; abatî bona bakufika baya endlwini yesikûngu yama-Yuda.

11 La-ke aye nobuntu kunawase-Tesalonika, la wona alamkela ilizwi ngentumekelelo yonke, ezincina izibâlo imihla ngemihla, ukuba zingaba zinjalo-na ezizinto.

12 Kwakôlwa-ke ngoko into eninzi kuwo, nakuma-Grikekazi abekekileyo, nakumadoda, ababa mbâlwa.

13 Akuqonda-ke awase-Tesalonika ama-Yuda, ukuba ilizwi lika-Tîxo lazisiwe ngu-Paulos nase-Bereya, eza ayizamazamisa nalapô indimbâne.

14 Bandula-ke kwa oko abazalwana bamsusa u-Paulos ukuba abêke ngaselwandle; kwasala u-Silas kwa no-Timoti kôna.

15 Batê-ke bona abamkâpayo u-Paulos bamsa e-Atene; bakuba bamkele umtêtô oya ko-Silas no-Timoti wokuba beze kuye kwakamsinya, bemka.

16 Kekaloku, akubon'ukuba u-Paulos ubalindile e-Atene, wacapûka, akuwubona umzi uzitîxo kupêla.

17 Wayexoxa-ke ngoko endlwini yesikûngu nama-Yuda, nabamhlonelayo u-Tîxo, nasendaweni yembûtô imihla ngemihla nabasukuba bekôna.

18 Kekaloku, izitânda-bulumko ezitîle zaba-Epikure nezaba-Stoike zamhlanganyela; yayisitî inxenye, Azi lifun' ukutînina elipôlopôlo? Abanye-ke batî, Ngatî ngumazisi wezitîxo zasemzini; ngokuba wayebashumayeza indaba ezilungileyo zika-Yesu novuko *lwabafileyo*.

19 Bamtâbatâ-ke bamsa e-Areyopago, besitî, Singakê sive-na lemfundiso intsha itêtŵa nguwe ukuba iyinina?

20 Kuba uzisa izinto ezitîle zasemzini ezindlebeni zetû; singa singazi ngoko, ukuba zingaba zifun' ukuba yinto-nina ezizinto.

21 Kekaloku abase-Atene bonke nabasemzini abangabahambî kôna bebengazilibazisi nganto yimbî ngapândle kokuxela nokuva olona daba lutsha.

22 Wema-ke u-Paulos esazulwini se-Areyopago, watî,

Madoda ase-Atene, ndiyabona ukuba ezintweni zonke nincamisile ukuhlonela izitîxo.

23 Kuba nditê, ndihambâ ndisingasinga izinto enizihlonelayo, ndafumana nesibingelelo ekubâlwe kuso, *kwatîwa*, kongaziwayo u-tixo. Lowo ngoko nimhlonela ningamazi, ndinazisa yena mna.

24 U-Tîxo yena owenza ihlabatî nento zonke ezikulo, lowo, eyi-Nkosi-nje yezulu nomhlaba, akemi zi-tempileni zenziwe ngazandla;

25 Kananjalo akapîliswa zizandla zabantu ngokoswele into, inguye-nje obanika bonke ubomi nompêfumlo nazo zonke izinto;

26 Kanjalo wazenza ngagazi-nye zonke intlanga zabantu, ukuba zime pêzu kwawo wonke umhlaba, emisa amaxesha abekwe ngenx' engapâmbîli, nemida yokuma kwazo;

27 Ukuze bayifune i-Nkosi, ukuba kambê bangapûtâpûtâ bayifumane, nakuba ingekude kutî sonke ngabanye.

28 Kuba kuyo sihleli, siyashukuma, sikô; njengokuba nembongi ezitîle zenu zitshilo ukutî, Kuba natî siyinzala yakê.

29 Siyinzala ka-Tîxo-nje-ke, akusifanele ukuba sibe ubutîxo obu bufana ne-go-

[1] U-Mesiya, ngokunye um-Tânjiswa.

Digitized by Google

lide ne-silvere nelitye, into eqingqwe ngobuncîbi nangengcinga yomntu.
30 Lomaxesha kengoko okungazi u-Tîxo wawayeka ngabomi; kungoku uyala abantu bonke endaweni zonke ukuba baguquke;
31 Ngokokuba emise umhla, aza kuligweba ngawo elimiweyo ngobulungisa ngendoda awayimisayo, ebanike bonke ukôlo ngokuyivusa kwabafileyo.

32 Kekaloku bakuva ukuvuka kwabafileyo, inxenye yayihlekisa ngalonto, abanye batî, Sobuya sikuve wena ngalento.
33 Wapûma njalo-ke u-Paulos pâkatî kwabo.
34 Kodwa amadoda atîle anamatêle kuye, akôlwa, ano-Diyonisiyo wase-Areyopago, nomfazi ogama lingu-Damari, nabanye ndawo-nye nabo.

18 Kekaloku, emva kwezizinto wahlukana u-Paulos ne-Atene, weza e-Korinte.
2 Wafumana um-Yuda otîle wase-Ponto ngokuzalwa, ogama lingu-Akwila, esand' ukuvela e-Itali, no-Prisila umkakê, weza kubo, (ngenxa yokuba u-Klaudiyo ebemise ukutî, makahlukane ne-Roma onke ama-Yuda).
3 Kutê-ke ngenxa-ke yokuba belilinye ishishini labo, waselehlala nabo esebenza; kuba bebe ngabenzi ben-tente ishishini labo.
4 Wayexoxa-ke endlwini yesikûngu isabatâ nge-sabatâ zonke, ezamele ukweyisa ama-Yuda nama-Grike.

5 Kekaloku, bakuhla bevela kwelase-Makedoni o-Silas no-Timoti u-Paulos waxinwa ngumoya, waqononondisa kuma-Yuda ukuba u-Yesu lo nguye u-Kristu.
6 Utê-ke akucâsa, akunyelisa, wavutûlula ingubo *zakê*, watî kuwo, Igazi lenu malibe pêzu kwentloko yenu; ndihlambûlukile mna; kutâbatêla kwelixesha ndiya kuya kwin-Tlanga.
7 Esuka kôna weza endlwini yotîle ogama lingu-Yusto, omhlonelayo u-Tîxo, ondlu yayamene nendlu yesikûngu.
8 Utê-ke u-Krispo umpâtî wendlu yesikûngu wakôlwa yi-Nkosi, nendlu yakê ipêla; nento eninzi yama-Korinte yakuva yakôlwa, yabâptizwa.
9 Yatî-ke i-Nkosi ngombono ebusuku ku-Paulos, Mus' ukoyika, têtâ ungatî-tu;
10 Ngokokuba mna ndinawe, kanjalo akukô namnye uya kukusa *sandla* akupâtê kakubi; ngokokuba ndinabantu abaninzi kulomzi.
11 Wahlala kôna-ke unyaka onenyanga ezintandatû, efundisa ilizwi lika-Tîxo pâkatî kwabo.

12 Kekaloku, akubon' ukuba u-Galiyo ulibambâ kwelase-Akaya, amwela u-Paulos ama-Yuda ngamxêlo mnye, amsa esihlalweni sokugweba,
13 Esitî, Lo uzamela ukweyisa abantu ukuba bamhlonele u-Tîxo ngokunxamnye nomtêtô.
14 Utê-ke xa u-Paulos aza kuvula umlomo, watî u-Galiyo kuma-Yuda, Ukuba kengoko ibi yinto yentswela bulungisa, nokuba ibi yeyobutshijolo obungendawo, ma-Yuda, ngekufanelekile ukuba ndininyamezele;
15 Kodwa ukuba yimbûzwano ngelizwi namagama nomtêtô ongowenu, zikângeleleni nina; kuba mna andingi ndingaba ngumgwebi wezozinto.
16 Wawagxota esihlalweni sokugweba.
17 Ambambâ-ke onke ama-Grike u-Sostene umpâtî wendlu yesikûngu, ambetâ pâmbî kwesihlalo sokugweba. Akwabiko nanye yezozinto ayikâtâlelayo u-Galiyo.

18 Kekaloku u-Paulos ukê wahlala imihla eyaneleyo. Waza ebabulisile abazalwana, wemka ngomkômbê waya kwelase-Siriya eno-Prisila no-Akwila; eyicêbile intloko e-Kenkreya; kuba waye nesibambîso.
19 Wehla-ke wafika e-Efeso, wabashiya bona apô; ke yena wangena endlwini yesikûngu, waxoxa nama-Yuda.
20 Utê-ke akumcela ukuba akê ahlale umzuzu kuwo, akavuma;
21 Wawabulisa-ke, esitî, Nokuba kutêni ndimelwe kukuwenzela e-Yerusalem umtêndeleko ozayo; kodwa ndobuya ndize kuni, ukuba u-Tîxo uyavuma. Waza wemka ngomkômbê e-Efeso.
22 Utê ehle weza e-Kesareya, wenyuka walibulisa ibandla, wehla waya kwa-Antiyokwe.
23 Enze ixesha elitîle *kôna* wemka, wa-

[1] U-Mesiya, ngokunye um-Tânjiswa.

Digitized by Google

lityûtyâ ilizwe lase-Galati nelase-Frigi, ebomeleza bonke abafundi.

24 Kekaloku, watî um-Yuda otîle, ogama lingu-Apolo, wakwa-Alesandire ngokuzalwa, umfo oliciko, wehla waya e-Efeso, enobunkunqele ezibâlweni.

25 Lowo-ke wayeyifundisiwe ngomlomo indlela ye-Nkosi; waza evutâ ngumoya watêtâ wafundisa ngokucokisekileyo izinto ezingayo i-Nkosi, esazi kakuhle ubâptizo luka-Yohane lodwa.

26 Yena kanjalo waqala ukutêtâ ngokungafihlisiyo endlwini yesikûngu; batê-ke bakumva o-Akwila no-Prisila, bamtâbatêla kubo, bamtyîlela ngokucokisekileyo ngakumbî indlela ka-Tîxo.

27 Kekaloku, akubon' ukuba unga angadlula aye kwelase-Akaya, abazalwana babâla bebayala abafundi ukuba bamamkele; owatî akufika wabanceda kakûlu abakôliweyo ngalo ubabalo;

28 Kuba waweyisa wawancamisa ekuhleni ama-Yuda, ebonakalalisa ngazo izibâlo ukuba u-Yesu-lo unguye u-Kristu.[1]

19 Kekaloku kwatî, xa u-Apolo ase-Korinte, u-Paulos, ewatŷutŷile amacala asentla, weza e-Efeso, wafumana bafundi batîle,

2 Watî kubo, U-Moya Oyingcwele namamkela-na, nakôlwayo-nje? Batî-ke bona kuye, Asizanga sive nokuva ukuba kukô u-Moya Oyingcwele.

3 Watî kubo, Nanibâptizelwe eninina pôfu? Batê-ke bona, Elu-bâptizweni luka-Yohane.

4 Watî-ke u-Paulos, U-Yohane okunene wabâptiza u-bâptizo lwenguquko, esitî ebantwini, mabakôlwe kulowo uzayo emva kwakê, oko kukutî, ku-Kristu Ye-

5 Bevile-ke, babâptizelwa egameni le-Nkosi u-Yesu.

6 Ŷtê u-Paulos akubeka izandla pêzu kwabo, wehla u-Moya Oyingcwele pêzu kwabo, baye betêtâ ngelwimî, beprofeta.

7 Aye-ke amadoda lawo ewonke engatî afishumi elinamabini.

8 Kekaloku, wangena endlwini yesikûngu, watêtâ ngokungafihlisiyo, inyanga zantatû exoxa nabantu, ebeyisela kwizinto ezingabo ubukumkani buka-Tîxo.

9 Ke bakuba abatîle belukuni, bengapûlapûli, betêtâ okubi ngayo indlela-leyo pâmbî komhlambî, wesuka kubo, wabahlula abafundi, exoxa imihla ngemihla esi-kuleni sika-Tirano.

10 Oku-ke kwenzeka iminyaka emibini, ngokokude bonke abemiyo kwelase-Asiya balive ilizwi le-Nkosi u-Yesu, ama-Yuda kwa nama-Grike.

11 Waye no-Tîxo esenza ngezandla zika-Paulos imisebenzi yamandla engahlal' isihla;

12 Ngokokude kusiwe nakwimilwelwe iqiya nemibînqo ivela emzimbêni wakê, zisuke kubo izifo, batî nomoya abakôhlakeleyo bapûme *kubo*.

13 Kekaloku batî abatîle bakuma-Yuda abâdulayo angabafungisi, bazamela ukulibiza igama le-Nkosi u-Yesu pêzu kwaba nomoya abakôhlakeleyo, besitî, Sinifungisa u-Yesu lowo uvakaliswayo ngu-Paulos.

14 Kwaye kukô-ke nyana batîle basixênxe baka-Skeva um-Yuda, umbingelelî ' omkûlu, ababekwenza oko.

15 Wapêndula-ke umoya okôhlakeleyo watî, U-Yesu ndiyamazi, no-Paulos ndiyamazi kakuhle; ke nina ningobanina?

16 Wesuka umntu obukuye umoya okôhlakeleyo, wabatsibela, wabagagamela wabeyisa, ngokokude babaleke bapûme kulondlu benxweleîwe be-zé.

17 Kwatî-ke oko kwâzeka kuwo onke ama-Yuda kwa nakuma-Grike amiyo e-Efeso; angenwa kukoyika onke, lenziwa likûlu igama le-Nkosi u-Yesu.

18 Yaye nento eninzi yabakôliweyo isiza izivuma izixela izenzo zayo.

19 Yatî-ke nento eyaneleyo yabasebenza izenzo zobugqi yazizisa ndaweni nye incwadi *zayo*, yazitshisa pâmbî kwabo bonke; bawabala amaxabiso azo, bafumana engamawaka amashumi mahlanu e-silvere.

20 Lenje njalo-ke ilizwi le-Nkosi ukwanda ngamandla nokweyisa.

21 Kekaloku, zakuzaliseka ezizinto, wamisa emoyeni *wakê* u-Paulos ukuba atî, elitŷutŷile elase-Makedoni nelase-Akaya, aye e-Yerusalem, esitî, Emveni kokuba nditê ndakôna, ndimelwe kukuba ndibone ne-Roma.

22 Watûma-ke kwelase-Makedoni bababini kwabamlungiselelayo, u-Timoti no-

[1] U-Mesiya okunye um-Tânjiswa.

[1] Umenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

Erasto; yena-ke wakê walibala umzuzu kwelase-Asiya.

23 Kekaloku kwabakô ngeloxesha inkatâzeko enge ncinane ngayo indlela-le;
24 Kuba utîle ogama lingu-Demetriyo umkândi we-silvere, obesenza i-têmpile ze-silvere zika-Artemis,[1] wayezizuzisa incîbi inzuzo enge ncinane;
25 Waziqukela ndawonye, kwa nabasebenzi bento ezinjalo, watî, Madoda, niyazi kakuhle ukuba bupûma kulenzuzo ubutyebi betû;
26 Kananjalo niyabona niyeva ukuba akuse-Efeso kodwa, kupânts' ukuba kulo lonke elase-Asiya, atê lo-Paulos wapâmbûkisa indimbâne eyaneleyo ngokuyoyisa ngamazwi, atî asingotîxo abo benziwa ngezandla.
27 Asisiso-ke esisabelo setû sodwa esisicênge sokudelwa, kwa ne-tempile yotîxokazi omkûlu u-Artemis[1] iza kubalelwa ekutîni yinto enge nto, butshabalale-ke nobungangamela bakê ohlonelwa lelase-Asiya lipêla nelimiweyo.
28 Bakukuva-ke oko bazala ngumsindo, banqangaza, besiti, Mkûlu u-Artemis[1] wabase-Efese!
29 Wazala umzi upêla sidubedube; besuka indulumbâne ngamxêlo mnye endaweni yokubonela, bamtî-hlasi u-Gayo no-Aristarko, abelase-Makedoni, ababehambâ no-Paulos.
30 Utê-ke u-Paulos enga angangena eluntwini, abamvumela abafundi.
31 Abatîle-ke bakubapâtî belase-Asiya, benobuhlobo kuye, batûmela kuye, bambongoza ukuba angazinikeli endaweni yokubonela.
32 Abanye-ke ngoko babenqangaza enye into, abanye yimbî, kuba ibandla labe lidubadubekile; baye abaninzi bengazi ukuba babutêlene ngenxa yanto-nina.
33 Bamfola-ke endimbâneni u-Alesandire, akubon'ukuba ama-Yuda amtŷalela pâmbîli; uwangawangisile-ke u-Alesandire ngesandla, wafuna ukuzipêndulela eluntwini.
34 Kodwa bakuqonda ukuba ungum-Yuda, benza inzwinini enye bonke bepêla benqangaza umzuzu omaxa mabini, besitî, Mkûlu u-Artemis[1] wabase-Efeso!
35 Eyizolisile-ke umbâli indimbâne, utê, Madoda ase-Efeso, kanene nguwupîna umntu ongaziyo, ukuba umzi wase-Efeso ungumgcini-tempile wotîxokazi omkûlu u-Artemis,[1] *nowomfanekiso* owawa ku-Zeyus[2]?
36 Zinge nakupîkwa-nje-ke ezozinto nimelwe kukutî nizole, ningenzi nanye into ngobutyûtûtyûtû.
37 Kuba niwazise apâ lamadoda, enge bapângi ba-tempile nabanyelisi botîxokazi wenu.
38 Ukuba-ke ngoko u-Demetriyo nencîbi ezinaye banendawo emntwini, zikô imini zamatyala, akô namabambâ; mabamangalelane.
39 Ke ukuba nifuna into nganto zimbi, yoconjululwa kwesesikweni intlanganiso.
40 Kuba sizicênge zokumangalelwa ngesaqunge sanamhla, kungekô nasinye isizatu-nje, esingaba nakô ngaso ukwenza ilizwi ngalembûtûmbûtû.
41 Akutsho, wayindulula intlanganiso.

20 Kekaloku, emva kokupêla kwesipîtîpiti-eso, u-Paulos wababizela kuye abafundi, wababulisa, wapûma waya kwelase-Makedoni.
2 Ewatŷutŷile-ke lomacala, ebayalile ngokutêtâ.okukûlu, weza kwelama-Grikê.[3]
3 Wenza apô inyanga zantatû. Utê-ke kwakwenziwe iyelenqe ngaye ngama-Yuda, xa aza kuya ngomkômbe kwelase-Siriya, wagqiba kwelokuba acande kwelase-Makedoni ngokubuya.
4 Wapêlekelelwa-ke kwada kweza kwelase-Asiya ngu-Sopatro wase-Bereya; kuma-Tesalonika-ke yangu-Aristarko no-Sekundo; no-Gayo wase-Derbe, no-Timoti; kwabelase-Asiya yangu-Tikiko no-Trofimo;
5 Abo basandulela basilinda e-Trowa.
6 Semka-ke tîna ngomkômbê kwa-Filipu, emva kwemihla yezonka ezinge nagwele, seza kubo e-Trowa ngentsuku ezintlanu; salibala kôna intsuku zasixênxe.

7 Kekaloku, ngolokuqala usuku lwe-veki, bakubon' ukuba abafundi bahlanganisene ukuba baqêkeze isonka, u-Paulos wayexoxa nabo, eza kumka ngengomso; wayolula intetô yakê kwada kwapâkati kobusuku.

[1] Ngokunye u-Diana. [2] Jupiter.
[3] Ama-Yavan kwi-Test. endala.

Digitized by Google

8 Zaye-ke izibane zanele egumbîni elipêzulu, apô babehlanganisene kôna.
9 Kwakuhleli-ke e-festileni ndodana itîle igama lingu-Yutiko, isindwa butôngo obukûlu. Akubon'ukuba-ke u-Paulos kukade exoxa, yoyiswa butôngo, yawa pântsi isuka kolwesitâtû udidi, yafunqulwa ifile.
10 Ehlile-ke u-Paulos, wazipôsa pêzu kwayo; eyiwolile watî, Musan' ukwenza isipîtîpîtî; kuba umpêfumlo wayo ukuyo.
11 Wenyuka-ke, waqêkeza isonka, wadla; kananjalo waxoxa ngokwaneleyo kwada kwasa, wemka njalo.
12 Bamzisa-ke umfana lowo ehleli, batûtûzeleka ngokunge namlinganiselo.

13 Kekaloku, tîna sandulela sava emkômbêni, sasinga e-Aso, apô besiza kumtâbatâ kôna u-Paulos; kuba ebemisele ngokunjalo, yena eza kuhambâ ngenyawo.
14 Sitê-ke, akuhlangana natî e-Aso, samtâbatâ seza e-Mitilene.
15 Sesuka apô ngomkômbê, ngengomso safika malungana ne-Kiyo; satî-ke ngengomso mnye sagaleleka e-Samo, sahlala e-Trogiliyo; ngolandelayo seza e-Mileto.
16 Kuba u-Paulos wagqiba kwelokuba kudlulwe ngomkômbê e-Efeso, ukuze angabi nakwenza xesha lide kwelase-Asiya; kuba wayekâulezele ukutî, ukuba unakô, awenze umhla we-Pentekoste e-Yerusalem.

17 Kekaloku e-Mileto apô watûmela e-Efeso, wawabizela kôna amadoda amakûlu alo ibandla.
18 Akufika-ke kuye, watî kuwo,

Niyazi kakuhle nina, kususela kwimini yokuqala endatî-qata ngayo kwelase-Asiya, ukuba ndatî-nina ukuhlala kwam nani lonke ixesha,
19 Ndikônza e-Nkosini ndinako konke ukutôbeka kwentliziyo nenyembêzi ezininzi, nokulingwa okwandihlelayo ngamayelenqe ama-Yuda;
20 Okokuba andinifihlelanga nto, ndanityela onke amalungelo, ndanifundisa ekuhleni nakwizindlu ngezindlu,
21 Ndiqononondisa kuma-Yuda nakuma-Grike ukuguqukela ku-Tîxo nokukôkwa kuyo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
22 Nangoku, yabonani, ndiya mna e-Yerusalem, ndibotshiwe ngumoya, ndingazazi izinto eziya kundihlela kôna;
23 Ndanel' *ukwazi* ukuba u-Moya Oyingcwele eqononondisa kwimizi ngemizi, esitî ndilindwe ngamakâmandela nazimbândezelo.
24 Andikâtâlele nanye yezizinto; kanjalo nobomi bam obu andinqabe nabo, ukuze ndilufeze uhambô lwam ngovuyo, nolungiselelo endalwamkelayo e-Nkosini u-Yesu lokuqononondisa indaba ezilungileyo zobabalo luka-Tîxo.
25 Nangoku, yabonani, ndiyazi mna, ukuba nina nonke ndahambâyo pâkatî kwenu, ndibuvakalisa ubukumkani buka-Tîxo, anisayi kuba sabubona ubuso bam.
26 Kungoko ndinqînayo kuni ngayo lemini yanamhla, ukuba mna ndimsulwa egazini labo bonke;
27 Kuba andinifihlelanga nto, ndanityela lonke icebo lika-Tîxo.
28 Zilumkeleni ngoko, nawo wonke umhlambî, atê u-Moya Oyingcwele wanimisa ukuba ngabaveleli bawo, ukuba nilalûse ibandla lika-Tîxo, awazizuzelayo ngelilelakê igazi.
29 Kuba mna ndiyakwazi oku, ukuba emva kokumka kwam kuya kungena pâkatî kwenu incûka ezibawayo, zingawucongi umhlambî.
30 Nakuni ngokwenu kuya kuvela amadoda atêtâ izinto ezigwenxa, ukuba abafole abafundi emva kwawo.
31 Kungoko nditî, Pâpâni, nikûmbûla ukuba iminyaka emitâtû, ubusuku nemini, andiyekanga ukululeka bonke ngabanye ndinenyembêzi.
32 Kungoku, bazalwana, ndiyaniyaleza ku-Tîxo nakwilizwi lobabalo lwakê, onakô ukunakâ, aninike ilifa pâkatî kwabo bonke abangcwalisiweyo.
33 Andinqwenelanga silvere na-golide nangubo kabani.
34 Nina-ke ngokwenu niyazi ukuba ezizandla zazisebenzela intswelo zam nezababe nam.
35 Ndanibonisa zonke izinto, ukuba ngokwenje njalo ukubulaleka nimelwe kukutî niyisize imilwelwe, nikûmbûle namazwi e-Nkosi u-Yesu, ngokuba yena watî, Ukupâ kunoyolo ngapêzu kokupîwa.

36 Akutsho waguqa ngamadolo, watândaza nabo bonke.
37 Basitsho-ke isililo esikûlu bonke, bawa pêzu kwentamo ka-Paulos, bamanga kakûlu,

Digitized by Google

38 Bebuhlungu kakúlu, ngokukodwa lilizwi alitétileyo lokuti, abasakubuye babubone ubuso bakê. Bampélekelela-ke baya emkómbêni.

21 Kekaloku kwati, sakunduluka ngomkómbê, siziqâule kubo, se-ngqo seza e-Kos; ngomhla olandelayo-ke seza e-Rodo, sesuk' apô seza e-Patara.

2 Sati, sifumene umkómbê uwelela kwelase-Fenike, sangena *kuwo*, sanduluka.

3 Sitê sakuti-tú-ke e-Kipro, sayishiya ngasekóhlo, saya ngomkómbê kwelase-Siriya, sapúma e-Tire; kuba umkómbê ubuya kuyitúla apô impahla.

4 Sati sibafumene abafundi, sahlala kóna intsuku zasixênxe; bona babesiti ku-Paulos ngo-Moya, makangenyuki aye e-Yerusalem.

5 Kekaloku sitê, xa sizigqibileyo intsuku-ezo, sapúma sahambâ; besipélekelela bonke, ndawo-nye nabafazi nabantwana, sada sangapándle komzi; saguqa ngamadolo elunxwemeni, satándaza.

6 Sati sibulisene sangena emkómbêni *tína*, bona-ke babuyela emakâya.

7 Sati-ke tína, sakulufèza uhambô ngomkómbê sivela e-Tire, safika e-Tolimayi, sababulisa abazalwana, sahlala nabo usuku lwalunye.

8 Kekaloku, ngengomso tína besino-Paulos semka, seza e-Kesareya; sangena endlwini ka-Filipu, umshumayeli wendaba ezilúngileyo, obe ngowabaya basixênxe, sahlala kuye.

9 Lowo-ke waye nentombi ezine, zisezintombi, ziprofeta.

10 Sakubon'ukuba-ke sihleli kóna intsuku ezininzi, kwehla kwelakwa-Yuda mprofeti utile, ugama lingu-Agabo.

11 Wati akufika kuti; watâbatâ umbinqo ka-Paulos, wazibopâ izandla nenyawo, wati, Utsho-ke u-Moya Oyingcwele ukuti, Indoda ongowayo lombinqo, aya kwenje nje ama-Yuda ukuyibopâ e-Yerusalem, ayinikele ezandleni zen-Tlanga.

12 Kekaloku, sakukuva oku, sambongoza tína, kwa nabakulondawo, ukuba angenyuki aye e-Yerusalem.

13 Wapéndula-ke u-Paulos, *wati*, Nenza-nina, ukulila nivityumze intliziyo yam? kuba mna ndingalungele kubotshwa kodwa, ndilungele nokufa e-Yerusalem, ngenxa yegama le-Nkosi u-Yesu.

14 Akuba-ke engoyiseki sati-cwaka, sisiti, Makwenzeke ukutânda kwe-Nkosi.

15 Kekaloku, emva kwezontsuku sabopâ impahla, senyuka saya e-Yerusalem.

16 Kwahambâ-ke nati abatile nakubafundi abavela e-Kesareya, besisa tina ku-Mnaso wase-Kipro, obengumfundi kwa kudala, esaba lundwendwe lwakê.

17 Kekaloku sakufika e-Yerusalèm, basamkela ngovuyo abazalwana.

18 Ngengomso-ke u-Paulos wangena kunye nati ku-Yakobi; ayekô namadoda amakúlu onke.

19 Ubabulisile, wamana ebacacisela zonke ngazinye izinto awazenzayo u-Tixo pâkati kwen-Tlanga ngalo ulungiselelo lwakê.

20 Batê-ke bona bakukuva oko bayizukisa i-Nkosi, batsho nokuti kuye, Uyabona, mzalwana, oko angako amawakawaka ama-Yuda akôliweyo; abe onke ewuzondelele umtêtô;

21 Atyelwe-ke ngawe, ukuba uyawafundisa onke ama-Yuda apâkati kwen-Tlanga ukuba ahlukane no-Moses, usiti, makangabalúsi abantwana bawo, angahambi ngawo amasiko.

22 Kutiwe-nina-ke? Kakade kuya kuhlanganisana inkitâ; kuba aya kuva ukuba ufikile.

23 Ngoko yenza lento sikuxelela yona: kukô kuti apâ amadoda amane anesibambiso azibopê ngaso;

24 Watâbatê-ke uzenze nyulu kunye nawo, ube nokudleka ngenxa yawo, ukuze agugule intloko; bazi bonke ukuba ezonto bazityelweyo ngawe aziluto, nawe ngokwakô uhambê uwugcinile umtêtô.

25 Kodwa ngazo in-Tlanga ezikôliweyo sabâla sagqiba kwelokuba zingabambi nto injalo, kupêla ibe kukuzigcina entweni ebingelelwe izitixo, nasegazini, nasentweni erwitshiweyo nasembulweni.

26 Wandula u-Paulos wawatâbatâ-ke amadoda-lawo, wati ngengomso, ezenze nyulu kunye nawo, wangena e-tempileni, eqondisisa inzaliseko yentsuku zokwenza nyulu, lide lisondezwe idini ngenxa yabo bonke ngabanye.

27 Kekaloku, xa intsuku ezisixênxe eso

Digitized by Google

beziza kupêla, atí ama-Yuda avela kwelase-Asiya, akumbona e-tempileni, ayidubaduba yonke indimbâne, amsa izandla,

28 Enqangaza esití, Madoda ma-Sirayeli, sizani! Nanku lomntu ufundisa bonke endaweni zonke okucâsene nabantu nomtêtô nalendawo; otê ngapêzu koko wawangenisa ama-Grike e-tempileni, wayenza inqambí lendawo ingcwele.

29 Kuba abebone ngenx' engapâmbilí u-Trofimo wase-Efeso ndawo-nye naye pâkatí komzi, abeba u-Paulos umngenise e-tempileni.

30 Washukuma umzi upêla, babalekela ndawonye abantu; bamtâbatâ u-Paulos bamfolela ngapândle kwe-tempile; zavalwa kwa oko ingcango.

31 Kekaloku, xa babeza kumbulala, lwafika udaba kumtêtêli-waka webutô, lokuba i-Yerusalem ipêla idubadubekile;

32 Owatí kwa ngelolixa watâbatâ amasoldati nabatêtêli-kûlu, wabaleka, wehla waya kubo. Bakumbona-ke umtêtêli-waka nama-soldati, bayeka ukumbetâ u-Paulos.

33 Waza wasondela umtêtêli-waka, wambambâ, watí, makakônxwe ngemixokelelwane emibini; wayebuza ukuba angaba ungubanina, nokutí wenze nto-nina.

34 Abanye-ke pâkatí kwendimbâne babômbôloza enye into, abanye enye. Akuba enge nakô-ke ukuyazi inyaniso ngenxa yesipîtípîtí, watí makasiwe enqabeni yomkôsi.

35 Xeshikweni wafikayo-ke kumatye okunyuka, usuke watwalwa ngama-soldati ngenxa yamandla endimbâne;

36 Kuba yayilandela inkitâ yabantu inqangaza *isití*, Msuseni.

37 Xa-ke waye kungeniswa enqabeni yomkôsi, watí u-Paulos kumtêtêli-waka, Kuvumelekile-na, ukuba nditêtê into kuwe? Watí-ke yena, Uyasazi-na isi-Grike?

38 Akunguye-na kanene lam-Yiputa, watí pâmbí kwalemihla wenza isaqunge, wakûkulisela entlango lamadoda angamawaka amane azigebenga?

39 Utê-ke yena u-Paulos, Mna ndingumntu ongum-Yuda wase-Tarso, umntu okowabo lingumzi ongadume ngako welase-Kiliki; ndiyakucela-ke, ndivumele ndikê nditêtê kubo abantu.

40 Kekaloku, akubon' ukuba umvumele, wema u-Paulos ematyeni okunyuka, wawangawangisa ngesandla kubo abantu. Kwakutíwa-cwaka kakûlu, wadanduluka ngentetô yesi-Hebere, esití,

22 Madoda bazalwana, nani bobawo, kupûlapûleni ukuzipêndulela kwam kuni ngoku.

2 Bakuva-ke ukuba udanduluka ngentetô yesi-Hebere kubo, bazola okunye. Waza watí,

3 Mna ndiyindoda engum-Yuda, ndizalelwe okunene e-Tarso yelase-Kiliki, kodwa ndondlelwe kulomzi ezinyaweni zika-Gamaliyeli, ndiqeqeshwe ngohlobo olucokisekileyo lomtêtô wobawo, ndizondelela u-Tixo, njengokuba nintjalo nani nonke namhla-nje;

4 Ndingowayitshutshisayo yona lendlela ndada ndesa ekufeni, ndibopâ ndifaka ezintolongweni amadoda kwa nabafazi,

5 Njengokuba nombingeleli[1] omkûlu endinqinela, nayo yonke intlanganiso yamadoda amakûlu; endamkela kubo incwadi zokuya kubazalwana, ndahambêla e-Damasko, ndiya kuzisa nababe kôna bebotshiwe e-Yerusalem, ukuze babetwe.

6 Kekaloku kwatí, ndihambâ, ndisondela e-Damasko, malunga emini enkulu, ngesiqupê ndabanekelwa ngenxa zonke lukânyiselo olukûlu lupûma ezulwini.

7 Ndawa emhlabeni, ndeva izwi lisití kum, Saule, Saule, unditshutshisela-nina?

8 Ndapêndula-ke mna ndati, Ungubanina, Nkosi? Yatí kum, Mna ndingu-Yesu wase-Nazarete, omtshutshisayo wena.

9 Bona-ke ababe nam balubona okunene ukânyiselo-olo, besuka boyika, kodwa abalivanga izwi lalowo wayetêtâ nam.

10 Ndatí-ke, Nditi-nina, Nkosi? Yatíke i-Nkosi kum, Vuka, uye e-Damasko, woxelelwa kôna ngazo zonke iziñto ozimiselweyo ukuba uzenze.

11 Ndakuba-ke ndinge nakondela ngenxa yobuqaqauli bololukânyiselo, ndafolwa ngesandla ngabo babe nam, ndafika e-Damasko.

12 Kekaloku, Hananiya utile, indoda emhlonelayo u-Tixo ngokomtêtô, enqinelwe kakuhle ngawo onke ama-Yuda amiyo kôna,

[1] Umenzelelí kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

13 Weza kum, wema kufupî, watî kum, Saule, mzalwana, buy' ubone. Ndaza mna kwa ngelolixa ndabêka pêzulu kuye.

14 Watî-ke yena, U-Tîxo wobawo betû ukumisile wena ukuba ukwazi ukutânda kwakê, umbone lowo uli-Lungisa, uve ilizwi elipûma emlonyeni wakê;

15 Ngokuba uya kuba linqîna lakê kubo bonke abantu lezinto ozibonileyo nozivileyo.

16 Nakaloku usalibele yinina? suk' ume, ubâptizwe, uhlambûlule izono zakô, unqula igama le-Nkosi.

17 Kekaloku kwatî, ndakuba ndibuyele e-Yerusalem, ndakubon' ukuba ndiyatândaza e-tempileni, ndaba setôngweni,

18 Ndayibona isitî kum, Nxâma upûme kamsinya e-Yerusalem; ngokokuba bengayi kubamkela ubunqîna bakô ngam.

19 Ndatî mna, Nkosî, bayazi kakuhle bona ukuba mna ndandibafaka entolongweni, ndibatyabula kuzo zonke izindlu zesikûngu abo bakôlwayo kuwe;

20 Naxeshikweni lapâlazwayo igazi lika-Stefano inqîna lakô, ndaye ndimi kufupî nam, ndikutâkazela ukusikwa kwakê, ndizigcinile ingubo zabo babemsika.

21 Yatî kum, Hambâ; ngokuba mna ndiya kukutûma kude kwin-Tlanga.

22 Bampûlapûla-ke, wada wafika kwelozwi, baza bapâkamisa izwi labo besitî, Msuseni emhlabeni *umntu* onje; kuba akufanelekile ukuba adle ubom.

23 Kekaloku, bakubon' ukuba bayanqangaza, belahla ingubo zabo, bepôsa utûli esibâkabâkeni,

24 Watî umtêtêli-waka, makangeniswe enqabeni yomkôsi; watî, makancinwe nge-katsi, ukuze azi ukuba kungatûba-linina ukuba benje nje ukunqangaza ngaye.

25 Kekaloku, xa bamolulayo ngentambô, watî u-Paulos kumtêtêli-kûlu obemi kôna, Kuvumelekile-na, ukuba nimtyakatye umntu ongum-Roma, engagwetywanga nokugwetywa?

26 Evile-ke umtêtêli-kûlu, waya wabika kumtêtêli-waka, esitî, Yilumkele into oza kuyenza; kuba lomntu ungum-Roma.

27 Weza-ke umtêtêli-waka watî kuye, Ndixelele, ungum-Roma-na? Watî-ke yena, Ewe.

28 Wapêndula umtêtêli-waka watî, Mna ukungeniswa kwam kulomzi *wase-Roma* ndakuzuza ngenani elikûlu. Watî-ke u-Paulos, Ke mna ndizelwe ndinakô.

29 Basuka kuye kwa oko ngoko abo babeza kumncina; woyika-ke nomtêtêli-waka akuqonda ukuba ungum-Roma, nangenxa yokuba ebembopîle.

30 Kekaloku, ngengomso enga angayazi inyaniso yento amangalelwe ngayo nga-ma-Yuda, wamkûlula ezintanjeni, wati mabeze ababingeleli [1] abakûlu, nayo yonke intlanganiso yabo yamatyala; waza wamhlisa u-Paulos, wammisa pâkatî kwabo.

23 Waqwalasela-ke u-Paulos entlanganisweni yamatyala, watî, Madoda bazalwana, mna ndahlala ngokwalowo ungowakwa-Tîxo ndinesazela esilungileyo kwada kwayilemini.

2 Kekaloku umbingeleli [2] omkûlu, u-Hananiya, watî kwabo babemi ngakuye, mabambetê emlonyeni.

3 Waza watî u-Paulos kuye, Uza kukubetâ u-Tîxo, ludongandini luqatyiweyo. Wena utî uhlalele ukuba utêtê ityala lam ngokomtêtô, ubuye wapûle umtêtô, uti mandibetwe?

4 Bona-ke ababemi kôna batî, Uyamtûka-na umbingeleli [2] omkûlu ka-Tîxo?

5 Wati u-Paulos, Bendingazi, bazalwana, ukuba ungumbingeleli [2] omkûlu; kuba kubâliwe kwatîwa: Uz' ungatêtî kakubi ngompâtî wabantu bakowenu.

6 Kekaloku, u-Paulos esazi ukuba elinye icala lelaba-Sadusi, elinye-ke lelaba-Farisi, wadanduluka entlanganisweni yamatyala esitî, Madoda bazalwana, mna ndingum-Farisi, ndingowom-Farisi; ndimangalelwe mna ngalo itembâ nangovuko lwabafileyo.

7 Utê-ke akukutêta oko, kwabakô impambâno pâkatî kwaba-Farisi naba-Sadusi, yahlulelana inkitâ-leyo;

8 Kuba okunene aba-Sadusi bebesitî, akukô luvuko, nasitûnywa sazulu, namoya; kodwa aba-Farisi bebezivuma zombini ezondawo.

9 Kwabakô-ke unqangazo olukûlu; besuka ababâli becala laba-Farisi balwa kakûlu, besitî, Asifumani nanye into emb kulomntu, ke ukuba kutêtê umoya kuye, nokuba sitûnywa sezulu, masingalwi no-Tîxo tîna.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.
[2] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

10 Kutê-ke yakuba nkulu impambâno, watí umtêtêli-waka, esoyikela ukuba u-Paulos angaqwengwa ngabo; watí, mauhle umkôsi, umxwile pâkatí kwabo, umzise enqabeni yawo.

11 Kekaloku, ngobobusuku i-Nkosi yema ngakuye, yatí, Yomelela, Paulos; kuba njengokuba waqononondisa izinto ngam e-Yerusalem, kwa ngokunjalo umelwe kukutí unqíne nase-Roma.

12 Kekaloku kwakusa, abatíle kuma-Yuda batûtêlana bazibopâ ngesiqalekiso, besití abayi kudla, abayi kusela nokusela, bade bambulale u-Paulos.

13 Baye-ke bengapêzu kwamashumi omane ababefungele ukuyenza lonto;

14 Abatí bona beza kubabingeleli [1] abakûlu nakumadoda amakûlu, batí, Sizibopíle ngesiqalekiso esikûlu, ukuba singafak' into emlonyeni side simbulale u-Paulos;

15 Kengoku nina bêkisani kumtêtêliwaka kunye nentlanganiso yamatyala, ukuba amhlise eze naye kuni ngomso, ngokungatí niza kuziqiqa ngokukôna kucokisekileyo indawo ezitêtwa ngaye; sibe-ke tína engekasondeli sesilungiselele ukumbulala.

16 Kekaloku, akukuva unyana wodade bo-Paulos ukumlalela *kwabo*, wafika wangena enqabeni yomkôsi, wambikela u-Paulos.

17 U-Paulos ubizele-ke kuye omnye wakubatêtêli-kûlu, watí, Yisa lendodana kumtêtêli-waka; kuba inento eza kuyibika kuye.

18 Uyitâbatíle-ke yena, wayizisa kumtêtêli-waka, watí, U-Paulos umbanjwa undibizele kuye, wacela ukuba ndizise lendodana kuwe; inento eza kuyitêtâ kuwe.

19 Wayibambâ-ke ngesandla umtêtêliwaka, waya nayo ngasese, wayibuza watí, Unanto-nina oza kuyibika kum?

20 Yatí-ke, Ama-Yuda avumelene ukukucela ukuba umhlise u-Paulos, umse ngomso entlanganisweni yamatyala, ngokungatí aza kubuza ngokukôna kucokisekileyo into ngaye.

21 Ke wena uz'ungoyisakali ngawo; kuba kuwo apô ulalelwe ngamadoda angapêzu kwamashumi amane, azibopíleyo ngesiqalekiso ukuba angadli angaseli ade ambulale; nangoku asel'elungile, elinde idinga elivela kuwe.

22 Umtêtêli-waka wayindulula-ke indodana leyo, akuba eyitêtêle ngelití, mayingaxeleli bani, ukuba izibonakalalisile kuye ezondawo.

23 Ebizele kuye abatêtêli-kûlu abatíle bababini, watí, Lungisani ama-soldati abe makûlu mabini, ukuba aye e-Kesareya, nabamahashe babe mashumi asixênxe, nababinzi babe makûlu mabini, ngelesitâtû ilixa lobusuku;

24 Nilungise namaqêgu, ukuze bamkwêlise u-Paulos, bamse asinde ku-Felikis i-ƒuluneli.

25 Wabâla incwadi etí,

26 U-Klaudiyo Lisiya uyabulisa ku-Felikis i-ƒuluneli edume kunene.

27 Lendoda yayibanjwe ngama-Yuda, iza kubulawa ngawo; koko ndati-gaxa kuwo ndinomkôsi, ndayihlangula, ndakuqonda ukuba ingum-Roma.

28 Ndakuba-ke ndingalazi ityala abeyimangalela ngalo, ndayihlisa ndayisa entlanganisweni yawo yamatyala;

29 Ndayifumana imangalelwe ngembûzwano zomtêtô wawo, kodwa ingenalo nalinye ityala elilingene ukufa nokufakw' intambô.

30 Kekaloku, kwakubon' ukuba ndilihletyelwe iyelenqe ebeliza kwenziwa ngayo lendoda ngama-Yuda, nditûmele kuwe kwa ngelolixa, ndatí nakubamangaleli bayo, mabazitêtê kuwe indawo abanazo ngakuyo. Hlala kakuhle.

31 Ama-soldati-ke amtâbatâ u-Paulos, njengoko amiselwe ngako, amsa kwa-Antipatri ebusuku.

32 Kutê-ke ngengomso abashiya abamahashe, ukuba bahambê naye, wona abuyela enqabeni yomkôsi;

33 Batí bona, bakufika e-Kesareya bayinikela incwadi kwi-ƒuluneli, bammisa no-Paulos pâmbí kwayo.

34 Iyilesile-ke i-ƒuluneli, yabuza nokuba ungowabupína ubu-ƒulumente, itê yakuqonda ukuba ungowelase-Kiliki,

35 Yati, Ndokuva kakuhle, xa batê bafika nabamangaleli bakô; yatsho yatí, makagcinwe endlwini ye-ƒuluneli ebiyeka-Herode.

[1] Abenzeleleli kwi-Test. ondala, ngokunye aba-priste.

Digitized by Google

24 Kekaloku, emva kwentsuku ezintlanu wehla umbingeleli[1] omkûlu u-Hananiya, enamadoda amakûlu neciko elitîle elingu-Tertulo, bona bengabamangaleli baka-Paulos kwi-fuluneli.

2 Utê-ke akubizwa, waqala u-Tertulo ukummangalela, esitî,

3 Sisiva uxolo olukûlu ngawe-nje, zikônje nezenzo eziluncedo ezenzelwe oluhlanga ngokwazalelela kwakô, sikwamkela *oko* sibulela ngako konke amaxesha onke, nasendaweni zonke, Felikis odume kunene.

4 Ke ukuze ndingabi sakubambêzela ngakumbî, ndiyakubongoza ukuba ukê usive kancinane ngokutântamisa kwakô.

5 Kuba siyifumene lendoda isisifo, umpâmbânisi kuwo onke ama-Yuda akwelimiweyo, ingumkôkeli walo ihlelo lama-Nazarete;

6 Eyatî yalinga ukuyihlambêla ne-tempile; esatî sayibambâ, safuna ukuyigweba ngowetû umtêtô;

7 Usuke u-Lisiya umtêtêli-waka wafika, wayihlutâ ngamandla amakûlu ezandleni zetû;

8 Watî, mabeze kuwe abamangaleli bayo, ongatî wena ngokwakô, wakuzincina zonke indawo, ube nakô ukuziqonda kuye ezo siyimangalela ngazo tîna.

9 Nama-Yuda-ke avumelana *naye*, atî kunjalo-kanye.

10 Kekaloku, wapêndula u-Paulos, yakunqwala kuye i-fuluneli ukuba atêtê, watî,

Ndisazi kakuhle-nje, ukuba sekuyiminyaka emininzi ungumgwebi koluhlanga, kokukôna ndizipêndulela ngomxêlo owonwabileyo ngazo indawo ezingam;

11 Kuba unganokuqonda, ukuba akuntsuku zingapêzu kweshumi elinambîni ndenyukayo ndaya kuqubuda e-Yerusalem;

12 Nase-tempileni abandifumananga ndixoxa namntu, ndisenza nasipêndu, nasesindlwini zesikûngu, napî pâkatî komzi.

13 Kananjalo abanakô ukuzimisa izinto abandimangalela ngazo ngoku.

14 Ke ndiyakuvuma oku kuwe, ukuba ngendlela abatî bona sipâmbûsa, ndenje njalo ukumkônza u-Tîxo wakowetû, ndikôlwa ziziqto zonke ezibâliweyo emtêtweni naseba-profetini;

15 Ndinetêmbâ ku-Tîxo, into-ke abayilindileyo nabo ngokwabo, ukuba kuza kubakô uvuko lwabafileyo, lwamalungisa kwa nolwabange malungisa.

16 Kekaloku, kulento nam ngokwam ndiyazama, ukuba ngamaxesha onke ndingabi nasazela sikûbekisa nganto ngaku-Tîxo nangakubantu.

17 Emva kweminyaka emininzi ndafika ndizisa amalizo neminikelo kuhlanga lwakowetû.

18 Kwezonto andifumana e-tempileni ndenziwe nyulu, ndingenzi sipêndu, ndingenzi nasipîtipîtî, ama-Yuda atîle elase-Asiya,

19 Abemelwe kukubakô apâ pâmbî kwakô, andimangalele, ukuba angaba anendawo ngakum;

20 Okanye mabatî bona aba, ukuba kukô nto yokungalungisi bayifumeneyo kum, bayixele, ndakubon' ukuba ndimi apâ entlanganisweni yamatyala,

21 Ingelilo elozwi linye, ndadandulukayo ngalo ndimi pâkatî kwabo, lokutî, Kungalo uvuko lwabafileyo endigwetywayo mna nini namhla.

22 Kekaloku, akuziva ezizinto u-Felikis, utê, ezazi ngokôna kucokisekileyo indawo zalendlela, wabalibazisa, watî, Xa ste wehla u-Lisiya umtêtêli-waka, ndoziqiqa kakuhle indawo zenu.

23 Kanjalo wammisela umtêtêli-kûlu, ukuba agcinwe u-Paulos, abe nokuyekelelwa, kungalelwa nabani wakowabo ukumnceda nokuba eze kuye.

24 Kekaloku, emva kwemihla etîle wafika u-Felikis eno-Drusila umkakê, um-Yudakazi, watûmela wambiza u-Paulos, wamva etêtâ ngako ukukôlwa ku-Kristu.

25 Akubon' ukuba-ke utêtâ ngobulungisa, nokuzeyisa, nangogwebo oluza kubakô, wangenwa kukoyika u-Felikis, wapêndula watî, Hambâ okwakaloku-nje; ke ndakuzuza itûba, ndokubiza uze.

26 Kunye-ke noko wayetêmbê ukuba wonikwa imali ngu-Paulos, ukuze amkûlule; ngako oko kwabakukôna ambiza futî ukuba eze axoxe naye.

27 Kekaloku, kwakubon' ukuba kudlule iminyaka emibini, u-Felikis wakûlulana no-Porkiyo Festo; kanjalo watî u-Felikis,

[1] Umenzelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-prista.

Digitized by Google

efuna ukuzitândisa kuma-Yuda, wamshiya u-Paulos ekônxiwe.

25 Utê ngoko u-Festo, akuba engene ebu-fulumenteni, watî emva kwemihla emitâtû, wenyuka waya e-Yerusalem, esuka e-Kesareya.

2 Kekaloku, umbingeleli[1] omkûlu nabazintloko kuma-Yuda bamangalela u-Paulos kuye, bambongoza,

3 Becela ukuba ababahale ngokumbiza eze e-Yerusalem, bemlalele ukuze bambulale endleleni.

4 Wapêndula-ke ngoko u-Festo, *watî*, Ugcinwe e-Kesareya u-Paulos, naye-ke ngokwakê uza kuya kamsinya.

5 Watî, mabatî ngoko abanakô pakatî kwenu, behle kunye *nam*, bayimangalele, ukuba kukô into kulendoda.

6 Akuba-ke elibele kubo imihla engapêzu kweshumi, wehla waya e-Kesareya; ngengomso, akuba ehleli esihlalweni sokugweba, watî, makaziswe u-Paulos.

7 Utê-ke akufika, ama-Yuda abehle bevela e-Yerusalem, amngqonga, emtŷola ngamatyala amaninzi anzima u-Paulos, awayenge nakô ukuwamisa.

8 Utê-ke, akubon' ukuba uyazipêndulela, Nasemtêtŵeni wama-Yuda, nase-tempileni, naku-Kesare, andonanga nto.

9 Ke u-Festo, efuna ukuzitândisa kuma-Yuda, umpêndule u-Paulos watî, Uyatânda-na ukunyuka uye e-Yerusalem, litêtŵe kôna ityala lezizinto pâmbî kwam?

10 Utê-ke u-Paulos, Ndimi esihlalweni sokugweba sika-Kesare, apô limele ukutêtŵa kôna ityala lam; ama-Yuda andiwonanga nganto, njengokuba nawe usazi kakuhle.

11 Kuba okunene ukuba ndonile, ndenza into elingene ukufa, andali kufa; kodwa ukuba akukô nanye yezonto bandimangalela ngazo aba, akukô namnye unakô ukundinikela kubo. Ndibênele ku-Kesare.

12 Waza u-Festo, akuba etêtê nepâkatî, wapêndula *watî*, Ubênele ku-Kesare, uya kuya ku-Kesare.

13 Kekaloku, kwakubon' ukuba kudlule imihla etîle, u-Agripa ukumkani, no-Bernike bafika e-Kesareya, beiza kubulisa u-Festo.

14 Bakulibala kôna-ke imihla emininzi, u-Festo wazandlala pâmbî kokumkani lowo izinto ezingaye u-Paulos, esitî, Kukô ndoda itîle ishiyiweyo ngu-Felikis, ikônxiwe,

15 Abatê ababingeleli[1] abakûlu namadoda amakûlu ama-Yuda, oko ndibe ndise-Yerusalem, bayimangalela, becela ukuba igwetywe.

16 Endatî ukubapêndula, Asilosiko lama-Roma ukubabala ngomntu abulawe, pâmbî kokuba lowo umangalelweyo akângelane nabamangaleli bakê, azuze netûba lokuzipêndulela ngalo ityala lakê.

17 Bakuba ngoko bebutêlene apâ, andilibazisanga; ngomhla olandelayo ndahlala esihlalweni sokugweba, ndatî, mayiziswe indoda leyo.

18 Abamangaleli bayo bakuvela abamisanga nalinye ityala lezozinto bendizindlela kuzo mna;

19 Ke babe nembûzwano ezitîle nayo ngokuhlonela kwabo izitixo, nanga-Yesu utîle ufileyo, abesitî yena u-Paulos uhleli.

20 Ndakutîngaza-ke mna ngawo umbuzo walendawo, ndatî unga ungaya e-Yerusalem-na, litêtŵe kôna ityala lezizinto?

21 Akubon' ukuba-ke u-Paulos ubênele ukuba agcinelwe isigwebo sika-Sebasto, ndatî makagcinwe, ndide ndimtûmele ku-Kesare.

22 Watî-ke u-Agripa ku-Festo, Bendinga nam ndingakê ndimve umntu lowo. Watî-ke yena, Uya kumva ngomso.

23 Utê-ke akufika ngengomso u-Agripa no-Bernike benendili enkulu, bengene nasondaweni yokupûlapûlela *amatyala*, benabatêtêli-waka namadoda amakûlu omzi, waziswa u-Paulos ngezwi lika-Festo.

24 Watî u-Festo, Agripa kumkani, nani nonke madoda akôyo natî, niyambona lomntu, etê yonke inkitâ yama-Yuda yasingisa kum ngaye, nase-Yerusalem nalapâ, ibômbôloza kakûlu *isitî*, akasafanele kudla bom;

25 Mna-ke nditê ndakuqonda, ukuba akenzanga nto ilingene ukufa, akubon' ukuba naye ngokwakê ubênele ku-Sebasto, ndagqiba kwelokuba ndimtûmele *kuye*.

26 Endinge nanto iyinyaniso ndingayibâlayo ngaye enkosini yam. Ngako oko ndimzise pâmbî kwenu, ngokukodwa pâ-

[1] Upenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye um-prieste.

[1] Abenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye aba-prieste.

Digitized by Google

mbî kwakô, kumkani Agripa, ukuze kwakubon' ukuba kunciniwe, ndibe nento endingayîbâlayo;

27 Kuba kum kubonakala ibububenge, ukuba kutûnyelwe ikônxwa engaqondakaliswa netyala elinalo.

26 Watî-ke u-Agripa ku-Paulos, Uvunyelwe ukuba uzipêndulele. Wandula u-Paulos wazipêndulela, esolule isandla, *watî*,

2 Ndiva kamnandi, kumkani Agripa, ndiza kuzipêndulela-nje pâmbî kwakô namhla ngazo zonke izinto endimangalelwa ngazo ngama-Yuda;

3 Ngokukodwa ekubeni usazana nawo onke amasiko nembûzwano zama-Yuda; kungoko ndiyakutândaza ukuba undive undinyamezele.

4 Ukuhlala kwam-ke kwa sebuncinaneni bam, okwabakô kwa sekuqalekeni pâkatî kohlanga lwakowetû e-Yerusalem, ayakwazi onke ama-Yuda;

5 Endazi ngenx' engapâmbîli, (ukuba atê atânda ukunqîna,) okokuba ngelona licokisekileyo ihlelo lonqulo lwakowetû ndahlala ndingum-Farisi.

6 Nangoku ndimi ndimangalelwa ngenxa yetêmbâ ledinga elabekwa ngu-Tîxo kobawo;

7 Ezitêmbê ukufika kulo izizwe zakowetû ezilishumi elinazibini, zimkônza-nje *u-Tîxo* ngenyameko ubusuku nemini, ekungenxa yelotêmbâ endimangalelwayo ngama-Yuda, kumkani Agripa.

8 Yinina ukuba nitî, yinto eninge nakukôlwa yiyo, ukuba u-Tîxo uyabavusa abafileyo?

9 Mna okunene-ke bendiba ngelam, ndimelwe kukwenza izinto eziningi ezicâsene negama lika-Yesu wase-Nazarete.

10 Endakwenzayo-ke oko e-Yerusalem; nento eninzi yabangcwele ndayitshixela ezintolongweni, ndakuba ndamkele igunya kubabingeleli[1] abakûlu; ndaza, bakuba besikwa, ndavuma.

11 Nakuzo zonke izindlu zesikûngu ndibe ndibohlwaya futî, ndibanyanzela ukuba banyelise; ndatî, ndibagezela ngokuncamisileyo, ndabatshutshisa ndada ndesa kwimizi engapândle.

12 Kunjalo-nje-ke, *kwatî*, xa ndiyayo eDamasko ndinegunya nemvume kubabingeleli[1] abakûlu,

13 Emini enkulu endleleni, kumkani, ndabona ukukânya kuvela ezulwini, okungapêzu kokuqaqambâ kwelanga, kundibanekela ngenxa zonke nabo babehambâ nam.

14 Sitê-ke sakubon' ukuba-ke siwile sonke emhlabeni, ndeva izwi litêtâ nam ngentetô yesi-Hebere, lisitî, Saule, Saule, unditshutshisela-nina? wenzakala ukuba ukâba imviko.

15 Ndatî-ke mna, Ungubanina, Nkosi? Yatî-ke yona, Mna ndingu-Yesu omtshutshisayo.

16 Vuka, ume ngenyawo; kuba ndibonakele kuwe ngenxa yoku, ukuba ndikumise ube sisicaka nenqîna lezizinto uzibonileyo, nendiya kubonakala kuwe ngazo;

17 Ndikunyotûla ebantwini nasezin-Tlangeni, endikutûma kuzo ngoku-nje,

18 Ukuba uvule amehlo abo, ukuze babuye ebumnyameni beze ebumhlotsheni, babuye egunyeni lika-Satana beze ku-Tixo, ukuze bamkele uxolelo lwezono nelifa pâkatî kwabangcwalisiweyo ngokukôlwa kum.

19 Ekutê koko, kumkani Agripa, andabi nguye ongawululameliyo umbono wasezulwini;

20 Ndesuka ndababikela abase-Damasko kuqala, nabase-Yerusalem, nakulo lonke ilizwe lakwa-Yuda, nakuzo in-Tlanga, ukuba baguquke babuyele ku-Tîxo, benze imisebenzi efanele inguquko.

21 Ngenxa yezizinto ama-Yuda andibambâ e-tempileni, azamela ukundibulala.

22 Ngoko ndizuze uncedo ku-Tîxo-nje ndimisile kude kube yilemini, ndinqîna, komncinane nakomkûlu, ndingatêti nanye into ngapândle kwezo, batî aba-profeti no-Moses ziza kubakô,

23 Zokuba u-Kristu ubeza kuva ubuhlungu, nokuba ubeza kutî, engowokuqala eluvukweni lwabafileyo, azise ukukanya ebantwini nasezin-Tlangeni.

24 Kekaloku, akubon' ukuba uyazindlulela ngokunjalo, u-Festo watî ngezwi elikûlu, Uyageza, Paulos, imfundo eninzi iyakugezisa.

25 Watî-ke yena, Andigezi, Festo odume kunene; ndipîmisela amazwi enyaniso nengqondo epîlileyo.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

26 Kuba ezondawo uyazazi kakuhle ukumkani, enditêtâ kuye ngokungafihlisiyo; kuba ndikôlosekile kukuba akukô nanye yezizinto efihlakeleyo kuye; kuba lento ibingenzelwanga egumbîni.

27 Uyakôlwa-na, kumkani Agripa, ngaba-profeti? Ndiyazi ukuba uyakôlwa.

28 Watî-ke u-Agripa ku-Paulos, Ngokuncinane undeyisela ukuba ndibe ngum-Kristu.

29 Watî-ke u-Paulos, Nditândaza ku-Tîxo, ukuba ingabi nguwe wedwa, ibe ngabo bonke abandivayo namhla-nje, abayakutî nangokuncinane nangokukûlu babe njengam-nje, ngapândle kwezintambô.

30 Akuko etshilo, besuka ukumkani, nefuluneli, no-Bernike, kwa nababehleli nabo;

31 Beshenxile, batêtâ bodwa batî, Lomntu akenze nanye into elingene ukufa nentambô.

32 Watî-ke u-Agripa ku-Festo, Lomntu ange enokukûlulwa, ukuba ubengabênele ku-Kesare.

27 Kekaloku, kwakugqitywa kwelokuba sisuke ngomkômbê siye kwelase-Itali, bamnikela u-Paulos kwa nabanye ababanjwa abatîle kumtêtêli-kûlu, ogama lingu-Yuliyo, webutô lika-Sebasto.

2 Singenile-ke emkômbêni wase-Adramita, sisiza kudlula ngakwimimandla yelase-Asiya, sanduluka, kwakubon' ukuba u-Aristarko, um-Makedoni wase-Tesalonika, unatî.

3 Satî ngengomso safika e-Tsidon; waza u-Yuliyo wampâtâ u-Paulos ngobubele, wamvumela ukuba aye ezihlotyeni *zakê*, ongiwe.

4 Sanduluka nalapô, sahambâ ngomkômbê, sabetâ ezantsi kwe-Kipro, ngenxa yokuba imimoya ibivela ngapâmbîli.

5 Sakulucanda nolwandle olungakwelase-Kiliki nelase-Pamfili, safika e-Mira yelase-Liki.

6 Apô-ke umtêtêli-kûlu wafumana umkômbê wakwa-Alesandire usiya kwelase-Itali, wasikwelisa kuwo.

7 Kekaloku, intsuku zanela sihambâ kancinane, kwa ngenkankulu ukuba sifike ngase-Kinido. Utê wakuba umoya ungasivumeli ukuba sisondele, sabetâ ezantsi kwe-Krete ngase-Salimone.

8 Saza sadlula kuyo ngenkankulu, safika ndaweni itîle kutîwa ngama-Cweba amahle, obukufupî kuyo umzi wase-Laseya.

9 Litê-ke lakudlula ixesha elaneleyo, nokuhambâ nomkômbê kunengozi, ngenxa yokuba nozilo beluse ludlule, u-Paulos wamana ebaluleka,

10 Esitî kubo, Madoda, ndiyabona ukuba uhambô olu luza kuba nenxwaleko nokonakala okukûlu, kunge kwamtwalo namkômbê wodwa, kukokobomi betû nabo.

11 Kodwa umtêtêli-kûlu wayetâmbêle okomqûbi nokomnini-mkômbê ukutêtâ kunokuka-Paulos.

12 Kekaloku, icweba lingakulungele-nje ukuba kudluliswe busika kulo, abona baninzi kubo baceba ukuba kundulukwe kôna, kuba mhlaumbî banga nokufikelela badlulise ubusika e-Finikis, elicweba lase-Krete; elibêke kwintshonalanga engase-Zantsi, nakwintshonalanga engase-Ntla.

13 Kutê-ke wakubet' impêpô, umoya wase-Zantsi, beba bakuzuzile ababekunxâmele, banduluka, badlula kufupî ne-Krete.

14 Kodwa kungekabi mzuzu, kwagaleleka kôna umoya osisaqwiti, ekutîwa yi-Yuroklidon.[1]

15 Kutê-ke kwakubon' ukuba utîwe-hlasi umkômbê, awabi nakô ukumelana nomoya, sasesiwuyeka; saqûtywa..

16 Satî sakubaleka-ke sibetâ ngapântsi kwesiqitâna esitîle, ekutiwa yi-Klauda, kwaba ngenkankulu ukuba sibe nakô ukuwubambâ umkônjana;

17 Abatê bakuwufunqula, basebenza ngento zokunceda, bewubînqisa umkômbê; kananjalo batî, besoyika ukuba bangeyela esihlabeni, bazifinyeza i-seyile, baqûtywa benjalo.

18 Sitê-ke sakubon' ukuba-ke sibandezelwe kakubi liliqwa, ngomhla olandelayo bawupûngula umtwalo;

19 Nangowesitâtû sayilahla ngezandla zetû impahla yomkômbê.

20 Kutê-ke kwakubon' ukuba akubonakali langa nankwenkwezi intsuku ezininzi, kucinezele neliqwa elinge lincinane, lapêla kwatî-tu lonke itêmba lokuba singasindiswa.

21 Emva kokuzilwa ukudla ixesha elide, wesuka wema u-Paulos pâkatî kwabo, watî, Hina madoda! ngenanipûlapûle kum,

[1] U-Mazamakûlu.

Digitized by Google

anandululuka e-Krete, nizuzane nalenxwaleko nokukonakala.

22 Nangoku ndiyaniluleka, ukuba nibe nomxêlo owonwabileyo; kuba kuni aba, akukô uya kulahlekelwa bubomi bakê, yoba ngumkômbê wodwa.

23 Kuba ngobubusuku bekumi ngakum isitûnywa sika-Tixo, endingowakê, endimkônzayo,

24 Sisitî, Mus' ukoyika, Paulos, umelwe kukuma pâmbî ko-Kesare; uyabona, u-Tixo ukubabale ngabo bonke abasemkômbêni nawe.

25 Kungoko nditî, Yibani nomxêlo owonwabileyo, madoda; kuba ndiyakôlwa ngu-Tixo, ukuba kuya kuba njalo ngolohlobo atêtê ngalo kum.

26 Kodwa simelwe kupôseka siqitini sitîle.

27 Kekaloku, kwakufika ubusuku beshumi elinesine, sakubon' ukuba siqûtywaqûtywa *ngumoya* e-Adriya, mayela pâkatî kobusuku, o-matrose bazindla ukuba kuko mhlaba utîle basondelayo kuwo.

28 Baza bakuba bayipôsile i-lote, bafumana ukuba zi-fatom [1] ezimashumi mabini; betê-tyi-ke kancinane, bapinda bayipôsa i-lote, bafumana ukuba zi-fatom [1] ezilishumi elinantlanu.

29 Baza, besoyika ukutî bangapôseka ezindaweni ezibugqagala, bapôsa i-ankile zane esinqeni somkômbê, banga kungasa.

30 Kekaloku, bakubon' ukuba o-matrose banxâmele ukubaleka bapûme emkômbêni, bewuhlisele elwandle umkônjana, bengatî baza kuyekelela i-ankile ngapâmbîli,

31 Watî u-Paulos kumtêtêli-kûlu nakuma-soldati, Ukuba aba abatânga bahlale emkômbêni, aninakusindiswa nina.

32 Andula ama-soldati azinqamla intsontelo zomkônjana, awuyeka wawa, wemka.

33 Kekaloku, u-Paulos kwada kwaza kusa ebabongoza bonke ukuba badle ukudla, esitî, Namhla ngumhla weshumi elinesine nilinda, nimana nizila ukudla, ningafaki nto emlonyeni;

34 Kengoko ndiyanibongoza ukuba nidle ukudla; kuba oko kuyelelene nokusindiswa kwenu; kuba akuyi kuwa nalunwele lwentloko kabani kuni.

35 Kekaloku, akuba etshilo, watâbatâ isonka, wabulela ku-Tixo emehlweni abo bonke; waqêkeza, waqala wadla.

36 Bonke-ke baba nomxêlo owonwabileyo, batâbatâ ukudla nabo.

37 Saye-ke emkômbêni apô sonke siyinipêfumlo emakûlu mabini anamanci asixênxe anamitândatû.

38 Batê-ke, bakuhlutâ bawenza kâpûkâpû umkômbê beyipôsa elwandle inqôlowa.

39 Kwakusa-ke, abawazanga lomhlaba, ke babona icwetyana elitîle linonxweme, babûnga ukuwutyâlela kulo umkômbê, ukuba bangaba nakô.

40 Baza bezinqumla zonke i-ankile baziyekela elwandle, bezikûlule kunye nezibopêlelo zemitî yokujika; bayitwabulula iseyilana ngasemoyeni, babêkisa elunxwemeni.

41 Bakuba-ke begaxeleke endaweni enolwandle ngenxa zombîni, wanqûbeka kôna umkômbê; umpâmbîli wagxumekeka kôna, wahlala awashukuma, ke sona isinqe saqêkeka ngamandla amaza.

42 Kekaloku, icebo lama-soldati laba lelokuba babulawe ababanjwa, hleze kubekô obaleka ngokudada, apûme.

43 Kodwa umtêtêli-kûlu, enga angamsindisa u-Paulos, wawalela kwicebo lawo; kananjalo watî, abo banakô ukudada mabazipôse kuqala, bapûmele emhlabeni;

44 Batî abaseleyo inxenye ikwele eziplangeni, inxenye ikwele kwezinye izinto zomkômbê. Kwaza kwatî ngokunjalo bafika emhlabeni, basinda bonke.

28 Bakuba besindile, baqala ukuqonda ukuba isiqiti-eso kutîwa yi-Melita.

2 Ama-Barbari-ke lawo asenzela ububele obungahlali busihla; kuba apêmbâ umlilo, asamkela sonke ngenxa yemvula esifikeleyo, nangenxa yokubanda.

3 Kekaloku, akubon' ukuba u-Paulos utêze inyanda yentsâsa, wayibeka pezu komlilo, kwapûma inyoka ebushushwini obo, yanamatêla esandleni sakê.

4 Atê-ke ama-Barbari, akusibona isiloeso silengalenga esandleni sakê, atêtâ odwa atî, Okwenene lomntu ungumbulali; nakuba esindile elwandle, impindezelo ayivumi ukuba adle ubomi.

5 Yena ngoko wasivutûlulela emlilweni isilo-eso, akeva buhlungu noko.

6 Ke bona babelinde ukuba uza kudumbâ, mhlaumbî atî-qwaka, afe; bakulinda

[1] I-fatom izinyawo ezisixênxe.

Digitized by Google

futî-ke, bakubona engahliwa nto imbî, bajika batî ungutîxo.

7 Kekaloku, kulommandla bekukô imihlaba yomntu omkûlu wesiqiti, ogama lingu-Publiyo, owasamkela ngobubele, wasenza undwendwe lwakê intsuku zantatû.
8 Kwatî-ke, uyise ka-Publiyo walala pântsi, ebanjîwe yicesina nokuxaxaza igazi, awatî u-Paulos engene kuye watândaza; wabeka izandla pêzu kwakê, wampîlisa.
9 Kutê-ke kwakwenzeka oko, batî nabanye ababe nezifo esiqitini apô beza bapîliswa;
10 Bati bona basenzela imbêko ezininzi; batî, xa sindulukayo, basitŵesa ngezinto esizisweleyo.

11 Kekaloku, emva kwenyanga ezintatû sanduluka ngomkômbê wakwa-Alesandire, obudlulise ubusika esiqitini eso, onembâsa yamawele ka-Zeyus.[1]
12 Satî sakufika e-Sirakusi, sahlala kô-na intsuku zantatû.
13 Sisuka kôna, sajikeleza safika e-Regiyo; emva kosuku olunye, kwakubon' ukuba umoya wase-Zantsi uvukile, safika ngowesibini umhla e-Potiyoli;[2]
14 Safumana abazalwana apô, basibongoza ukuba sihlale nabo intsuku zibe sixênxe; seza ngokunjalo e-Roma.
15 Batî abazalwana, bakusiva, bapûma kôn'apô beza kusihlangabeza, bada beza e-Apiyoforo,[3] nase-Tritabêrne;[4] atê u-Paulos, akubabona, wabulela ku-Tîxo womelezeka.

16 Kekaloku, xeshikweni sifikileyo e-Roma, umtêtêli-kûlu wabanikela ababanjwa kumtêtêli-mkôsi; ke yena u-Paulos wavunyelwa ukuba ahlale yedwa nesoldati elimgcinayo.
17 Kwatî-ke, emva kwentsuku ezintatû, u-Paulos wabizela ndawonye abazintloko bama-Yuda; abatê bakubon' ukuba-ke babutêlene, watî kubo, Madoda bazalwana, mna ndatê, ndingenzanga nto icâsene nabantu namasiko akowetû, ndesuka e-Yerusalem ndingumbanjwa, ndanikelwa ezandleni zama-Roma.
18 Atê wona akundincina, afuna ukundikûlula ngenxa yokuba kungekô tyala lakufa ndinalo.
19 Atê-ke ama-Yuda akupîka, ndanyanzeleka ukuba ndibênele ku-Kesare; kunge ngakuba ndibe ndinento yokulumangalela ngayo uhlanga lwakowetû.
20 Ndinibongoze-ke ngenxa yesosizatu ukuba *nize*, ndinibone, nditêtê nani; kuba kungenxa yetêmbâ lakwa-Sirayeli endinxitywe lomxokelelwane.
21 Wona-ke atî kuye, Tîna asizuzanga zincwadi *zitêtâ* ngawe zivele kwelakwa-Yuda; kananjalo akufikanga bani wakubazalwana, owabika, watêtâ nto ikôhlakeleyo ngawe.
22 Singa-ke singeva kuwe into ozicingayo; kuba okunene ngalo elohlelo kuyazeka kutî, ukuba licâsiwe endaweni zonke.
23 Kekaloku, bakummisela imini, kweza kuye into eninzi endlwini abe hlala kuyo, wabatyîlela ebaqononondisa kunene ubukumkani buka-Tîxo, kananjalo ebebeyisela kokungo-Yesu, etâbatâ emtêtŵeni ka-Moses kwa nakuba-profeti, *eqala* kusasa ahlwise.
24 Yaye inxenye iseyiseka ngalomazwi atêtŵa nguye, yaye inxenye ingakôlwa.
25 Bakuba-ke bengavumelani, banduluka, akubon' ukuba u-Paulos utêtê zwi nye, watî, Watŷapa u-Moya Oyingcwele ukutêtâ ngo-Yesaya um-profeti kobawo betû,

26 Usitî,
Hamb' uye kwababantu utî,
Ukuva oku nîya kuva, ningakê niqonde;
Nitî nibona-nje nibone, ningakê niqiqe;
27 Kuba intliziyo yababantu itê-fitî kutyeba,
Beva nzima ngendlebe,
Bewacima namehlo abo,
Hleze babone ngamehlo,
Beve ngendlebe,
Baqonde ngentliziyo,
Bajike, ndibapîlise. u-Yes. 6, 9. 10.
28 Makwazeke ngoko kuni, ukuba usindiso luka-Tîxo lutûnyelwe kuzo in-Tlanga; ziya kuluva zona.

29 Akuba etshilo, emka ama-Yuda, enembûzwano enkulu pâkatî kwawo.

30 Kekaloku, u-Paulos wahlala iminya-

[1] Jupiter. [2] Emaqulenî.
[3] E-Malikeni ka-Apiyo.
[4] Indlu ezintatû zendwendwe.

Digitized by Google

ka emibini ipêla kweyakê indlu ayiqeshileyo, wabamkela bonke ababesiza kuye,
31 Ebuvakalisa ubukumkani buka-Tîxo, efundisa indawo ezinge-Nkosi u-Yesu Kristu ngako konke ukungafihlisi, engalelwa bani.

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-ROMA.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, umkônzi ka-Yesu Kristu, um-postile owabizwayo, wahlulelwa *ukuvakalisa* indaba ezilungileyo zika-Tîxo,
2 Awazidingayo ngenx' engapâmbîli ngabo aba-profeti bakê ezibâlweni ezingcwele,
3 Ebêkisele ku-Nyana wakê, owazalwa engowembêwu ka-Davide ngokwenyama,
4 Owamiswayo ukuba ungu-Nyana ka-Tîxo enamandla, ngokomoya wobungcwele, ngokuvuka kwabafileyo,—u-Yesu Kristu-ke i-Nkosi yetû;
5 Esatî ngaye samkela ubabalo nobupostile, ukuze ngenxa yegama lakê kubekô ukulululamela ukôlo pâkatî kwazo zonke intlanga;
6 Enipâkatî kwazo nani babiziweyo baka-Yesu Kristu:
7 *Ubâlela* bonke abase-Roma, abazintânda zika-Tîxo, abangcwele ababiziweyo, *utî*, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo wetû, ne-Nkosi u-Yesu Kristu.

8 Kuqala-ke ndiyabulela ku-Tîxo wam ngo-Yesu Kristu ngenxa yenu nonke, kuba ukôlo lwenu luxelwa ehlabatîni lipêla.
9 Kuba elinqîna lam u-Tîxo, endimkônzayo ngomoya wam kwindaba ezilungileyo zo-Nyana wakê, okokuba andiyeki ukunikânkanya;
10 Ndihlala ndikûnga emitândazweni yam, ukuba ndingade ngoku ndibe nenjumelelo, ndize kuni nangakupî ngako ukutânda kuka-Tîxo.
11 Kuba ndilangazelela ukunibona, ukuze ndinabele sibabalo sitîle sisesomoya, ukuze nizimaseke;
12 Oko-ke kukuze ndivuseleleke nam pâkatî kwenu, ngalo ukôlo olukutî sobabini, ngolwenu kwa nangolwam.
13 Anditândi-ke ukuba ningazi, bazalwana, ukuba kufutî ndizimisela entliziyweni yam ukuza kuni, ndatîntelwa kwada kwanamhla, ukuze ndibe nasiqâmo sitîle napâkatî kwenu, kwa njengapâkatî kwezinye in-Tlanga.
14 Kuma-Grike kwa nakuma-Barbari, kwizilumko kwa nakwabaswel' ukuqonda ndimelwe *kushumayela*.
15 Ngokunjalo okukokwam ndinxâmele ukuzishumayela indaba ezilungileyo nakuni base-Roma.
16 Kuba andinazintloni ngazo indaba ezilungileyo zika-Kristu; kuba zingamandla ka-Tîxo okusindisa bonke abakolwayo, um-Yuda kuqala kwa nom-Grike.
17 Kuba ngazo kutŷilwa ubulungisa baka-Tîxo bupûma elukôlweni buse elukôlweni, njengokuba kubâliwe *kwatîtwa*: Olilungisa-ke uya kudla ubomi obupûma elukôlweni. u-Hab. 2, 4
18 Kuba itŷilekile ingqumbô ka-Tîxo ivela ezulwini icâse konke ukungahloneli Tîxo nokuswel' ukulungisa kwabantu, abayitîntelayo inyaniso ngokuswel' ukulungisa.
19 Ngokokuba oko kwazekayo ngo-Tîxo kuyabonakala ngapâkatî kwabo; kuba u-Tîxo wakubonakalalisa kubo.
20 Kuba kwasekudalweni kwehlabatî indawo zakê ezibe zinge nakubonwa, zibonwa kakuhle, ziqondeke ngezinto ezenziweyo, kwa amandla akê angunapâkade nobu-Tîxo *bakê*, ukuze bangabi nakuzipêndulela.
21 Ngokokuba betê, bemazi u-Tîxo, abamzukisa ngoko-Tîxo, ababulela kuye; basuka bazizinto ezinge nto ezicamangwe-

Digitized by Google

ni zabo, yaza intliziyo yabo enge nakuqonda yenziwa yamnyama;
22 Batî besiba bazizilumko, besuka baba ziziyatâ;
23 Baza ubuqaqauli buka-Tîxo onge nakonakala babananisela intsobi yomfanekiso womntu onokonakala, nowentaka, nowezinto ezizitô zine, nowezinambûzane.

24 Kungoko atê besezinkanukweni zentliziyo zabo, u-Tîxo wabanikela nokubanikela ekuncôleni, ukuba bahlazisane ngemizimbâ yabo;
25 Bona bananisele ubuxoki inyaniso ka-Tîxo, basihlonela basikônza isidalwa begqita kum-Dali ongowokubongwa kuse kuwo amapâkade. Amen.

26 Ngenxa yoko u-Tîxo wabanikela ekutâbatêkeni okulihlazo; kuba namankazana abo umsebenzi wasemvelweni awananisela okunxamnye nemvelo:
27 Kwaza kwa ngokunjalo-ke namadoda ewushiya umsebenzi wenkazana wasemvelweni, avutâ ngokukânukana kwawo, amadoda esenza kumadoda okuzintloni, ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo abemelwe-ke nguwo.

28 Njengokuba-ke bekumangele ukuhlala bemazi kakuhle u-Tîxo, u-Tîxo wabanikela engqiqweni engacikidekileyo, ukuba benze izinto ezingafanelekileyo;
29 Bezele kuko konke ukuswel' ukulungisa, umbulo, okungendawo, ukubawa, ulunya; bezele ngumona, kukubulala, zinkani, yinkohliso, bubumenemene;
30 Abasebezi, abahlebi, abatîyekileyo ku-Tîxo, abasileyo, abaneratshi, abaqânqalazi, abacebi bezinto ezimbî, abangabevayo abazali,
31 Abange nakuqonda, abapûli beminqopîso, abange nabubele, abange natarû, abange nanceba;
32 Bona batî, besazi kakuhle isimiselo sika-Tîxo sokuba abo bazenzayo izinto ezinjalo bafanelwe kukufa, banganeli kuzenza, basuke batâkazelele nabo bazenzayo.

2 Kungoko nditî, Akunakuzipêndulela, mntundini ugwebayo, nokuba ungubani; kuba ngokugweba omnye uzigweba kwa wena; kuba wena ugwebayo wenza kwa ezozinto.
2 Siyazi-ke ukuba isigwebo sika-Tîxo siwa ngokwenyaniso pêzu kwabo bazenzayo izinto ezinjalo.
3 Ucinga-na-ke, mntundini ugweba abo bazenzayo izinto ezinjalo, ube usenza kwa zona nawe, ukutî, uya kusisaba-na wena isigwebo sika-Tîxo?
4 Okanye uyabudela-na ubutyebi bobubele bakê, nonyamezelo, nokuzeka kade umsindo; ungazi ukuba ububele buka-Tîxo bukusa enguqukweni?
5 Ke utî ngokubalukûni kwakô nentliziyo *yakô* enge nanguquko uziqwebele ingqumbô ngemini yengqumbô, nokutŷilwa komgwebo onobulungisa ka-Tîxo,
6 Oya kuvuza ulowo nalowo ngokwemisebenzi yakê:
7 Abo batî ngokomonde emsebenzini olungileyo bafune uzuko nembêko nokungonakali, *abavuze* ngobomi obungunapâkade;
8 Ke kwabo beyelenqe, bangayitâmbêliyo inyaniso, basuke batâmbêle ukuswel' ukulungisa, *kuya kubakô* umsindo nengqumbô,
9 Imbândezelo noxinaniso empêfumlweni wabantu bonke abasebenza okubi, kowom-Yuda ukuqala kwa nakowom-Grike;
10 Kubekô uzuko-ke nembêko noxolo kubantu bonke abasebenza okulungileyo, kum-Yuda ukuqala kwa nakum-Grike.
11 Kuba ku-Tîxo akukô kukêta buso.
12 Kuba bonke abonileyo benge namtêtô baya kutshabalala ngokunjalo benge namtêtô; nabo bonke abonileyo benomtêtô baya kugwetywa ngomtêtô;
13 Kuba asingabanela ukuba ngabapûlapûli bawo umtêtô abangamalungisa ku-Tîxo, ngabenzi bawo umtêtô abaya kugwetyelwa;
14 Kuba xa aben-Tlanga batî, benge namtêtô, benze ngemvelo okomtêtô, abo benge namtêtô-nje bangumtêtô kubo ngokwabo;
15 Bona bawubonakalalisayo umsebenzi womtêtô ubâlwe ezintliziyweni zabo, sibe isazela sabo sinqînelana nawo, zibe izicamango zabo zimangalelana, zipâtê kuzipêndulela.
16 *Kuya kuba njalo* mhlenikweni u-Tîxo aya kuzigweba izinto eziîihlakeleyo zabantu ngokwendaba zam ezilungileyo ngo-Yesu Kristu.

17 Uyabona, wena unegama lokuba u-

Digitized by Google

ngum-Yuda; wayame ngomtêtô; uqâyisa ngo-Tixo;

18 Uyakwazi ukutânda *kwakê;* uzicikida izinto ezahlukenyeyo, uwutyelwe umtêtô;

19 Kananjalo ukôlosê ngokutî ungumkôkeli wemfama, ulukânyiselo lwabo basebumnyameni,

20 Umluleki wabaswel' ukuqonda, umfundisi wentsana, onesimilo sokwazi nesenyaniso emtêtweni.

21 Nditî, wena-ke umfundisayo omnye, akuzifundisi? Wena-ke uvakalisa ukutî, makungêbiwa, uyêba?

22 Wena-ke utî, makungafexezwa, uyafexeza? Wena-ke uruqukileyo zizitîxo, upânga i-tempile?

23 Wena-ke uqâyisa ngomtêtô, uyamhlazisa u-Tixo ngokugqita umtêtô?

24 Kuba igama lika-Tixo linyeliswa ngenxa yenu pâkatî kwazo in-Tlanga njengoko kubâliweyo.

25 Kuba ulwalukô luyanceda okunene, ukuba uyawenza umtêtô; kodwa ukuba ungumgqiti womtêtô, ulwaluko lwakô lusuke lwaba kukungaluki.

26 Ngoko-ke ukuba ongalukileyo utî azigcine izimiselo zomtêtô, akuyi kutî-na ukungaluki kwakê kubalelwe ekutîni kukwaluka?

27 Kutî ukungaluki, oko kwasemvelweni, ngokuwuzalisa umtêtô kukugwebe wena ungumgqiti-mtêtô, noko unesibâlo nolwalukô?

28 Kuba um-Yuda asingulowo unguye ngokwangapândle, nolwaluko asilolo lwangapândle, enyameni;

29 Um-Yuda ngulowo wasemfihlekweni, nolwaluko lolwentliziyo ngomoya, kunge ngantetô; yena ukudunyiswa kungapûmi bantwini, kupûma ku-Tîxo.

3 Ugqitisele nganto-nina ngoko um-Yuda kwabanye? Kunceda nto-nina ukwaluka?

2 Kukûlu ngendlela zonke. Kuba-ke ukuqala bapâtîswa izihlabo zika-Tîxo.

3 Kuyinina kôna, ukuba abatîle abakôlwanga? ukungakôlwa kwabo kokupûtîsa-na ukutêmbêka kuka-Tîxo?

4 Nakanye! U-Tîxo, yena makabe nenyaniso, bonke abantu-ke babe ngamaxoki, njengokuba kubâliwe *kwatîwa,*

Ukuze ube nokugwetyelwa emazwini akô,

Weyise ekumangalelweni kwakô. in-Dum. 51, 4.

5 Ke ukuba ukuswel' ukulungisa kwetû kuqondakalisa ubulungisa buka-Tîxo, sotî-nina? Uswel' ukulungisa-na u-Tîxo lo uhlisa umsindo wakê? (nditêtâ ngokomntu).

6 Nakanye! Oko ubengatî-nina u-Tîxo ukuligweba ihlabatî?

7 Ke ukuba inyaniso ka-Tixo ipûpûmele ekutîni azukiswe ngobuxoki bam, ndisagwetywa nganina mna ngokomoni?

8 *Yinina ukuba* singabi sesisitî, ngokoke sinyelîswayo, ngoko-ke abatîle batî, siti tîna, Masenze okubi ukuze kuvele okulungileyo? abakugwetywa kuyeleleyo.

9 Kutîwe-nina-ke? Sinomkûsane-na? Hayi, unakanye! kuba besesiwamisele ityala ama-Yuda kwa nama-Grike lokuba bapântsi kwesono bonke;

10 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa,*
Akukô lungisa, hayi, nalinye;

11 Akukô uqondayo;
Akukô umfunisisayo u-Tîxo;

12 Bonke bapâmbûkile, bepêlele abancedi lutô;
Akukô wenza okulungileyo; akukô nokude abe mnye; in-Dum. 14, 3.

13 Lincwaba elivulekileyo umqala wabo,
Ngelwimi zabo bamana ukukohlisa.
Ubuhlungu bamaramba bupântsi kwemilebe yomlomo wabo; in-Dum. 5, 9.

14 Abamlomo uzele ukuqalekisa nobuxara; in-Dum. 10, 7.

15 Inyawo zabo zinamendu okupâlaza igazi;

16 Lityumtyum nentsizi ezindleleni zabo;

17 Nendlela yoxolo abayazanga; u-Yes. 59, 7, 8.

18 Akukô koyika Tîxo pâmbî kwamehlo abo. in-Dum. 36, 1.

19 Siyazi-ke ukuba into zonke ozitêtâyo umtêtô, uzitêtâ kwabapântsi komtêtô, ukuze imilomo yonke ivingcwe, nehlabati lonke libe netyala ku-Tîxo.

20 Ngokokuba ngokwasemisebenzini yomtêtô akuyi kugwetyelwa nyama emehlweni akê; kuba isono saziwe ngokubakô komtêtô.

21 Ngoku-ke kubonakaliswe ubulungisa buka-Tîxo, kungekô mtêtô, bunqinelwa nguwo umtêtô naba-profeti;

22 Ubulungisa-ke buka-Tîxo obungoku-

Digitized by Google

kôlwa ku-Yesu Kristu bube bobabo bonke, bupêzu kwabo bonke abakôlwayo; kuba akukô kwahluka;

23 Kuba bonile bonke, basilelela eluzukweni luka-Tixo;

24 Begwetyelwe ngesisa lubabalo lwakê ngako ukukâlulwa ngentlaulelo eku-Yesu Kristu;

25 Atê u-Tixo wamnisa, ukuba abe lucamagushelo ngegazi lakê, ngako ukukôlwa, ukuze bubonakalaliswe ubulungisa bakê ngenxa yokuyekelelwa kwezono, ezibe zenziwe ngenx' engapâmbîli ekunyamezeleni kuka-Tixo;

26 Ukuze bubonakalaliswe ubulungisa bakê ngelixesha lakaloku-nje, ukuze abe lilungisa kwa nomngwebeli walowo waselukôlweni luka-Yesu.

27 Lupina ngoko uqâyiso? Luvalelwe ngapândle. Ngamtêtô mnina? Ngowemisebenzi-na? Hayi! ngomtêtô wokôlo.

28 Ngoko-ke sigqiba kwelitî, umntu ugwetyelwa ngokôlo, kungekô misebenzi yamtêtô.

29 Kanene u-Tixo ungowama-Yuda edwa-na? Akanguye-na nowen-Tlanga? Ewe, ngowen-Tlanga nazo;

30 Ekubeni emnye u-Tixo, oya kugwebela abolwaluko ngokwaselukôlweni nabange ngabolwaluko ngalo ukôlo.

31 Umtêtô ngoko siyawupûtîsa-na ngalo ukôlo? Nakanye! Siyawumisa wona umtêtô.

4 Yintoninina ngoko, esiya kutî u-Abraham ubawo wetû ufumene yona ngokwenyama?

2 Kuba u-Abraham, ukuba wayegwetyelwe ngokwasemisebenzini, ange eneqâyiya; akanalo-ke pâmbî ko-Tixo.

3 Kuba sitî-nina isibâlo? *Sitî-ke*, Wakôlwa u-Abraham ku-Tixo, kwaza oko kwabalelwa kuye ebulungiseni.

4 Kekaloku, kulowo usebenzayo, umvuzo awubalelwa ngokwaselubabalweni; ubalelwa ngokwasekubangweni.

5 Ke, kulowo ungasebenziyo, utî akôlwe kuye omgwebelayo ongahloneli-Tixo, ukôlo lwakê lubalelwa ebulungiseni;

6 Kwa njengokuba no-Davide eluncoma uyolo lwalomntu, u-Tixo ambalela ubulungisa kungekô misebenzi,

7 *Esitî*,

Banoyolo abaziqqito zixolelweyo,
Abazond zigutyungelweyo;

8 Inoyolo indoda eya kutî i-Nkosi ingakê ibalele sono kuyo. Im-Dum. 32, 1, 2.

9 Oloyolo ngoko lunconywayo lulolwabolwaluko bodwa-na, asilolwabo bange bolwaluko nabo-na? kuba sitî, Ku-Abraham ukôlo lwabalelwa ebulungiseni.

10 Lwatîwa-nina kengoko ukubalelwa kuye? esekwalukeni? esekungalukini sinina? Engekôna ekwalukeni, esekungalukini.

11 Waza wamkela umqondiso wolwaluko, walitywina lokuqinisa ubulungisa bokôlo abe nalo esekungalukini: ukuba abe nguyise wabo bonke abakôlwayo besekungalukini, ukuze ubulungisa bubalelwe nakubo;

12 Nokutî abe nguyise wabalukileyo, abanganele ukuba ngabalukileyo-nje kodwa, abatî pêzu koko bahanibê emkôndweni wokôlo lobawo wetû u-Abraham, abe nalo esekungalukini.

13 Kuba ukumbeka ngedinga u-Abraham nokuba yimbêwu yakê, lokuba yindla-mafa alo ihlabatî, bekunge ngamtêtô; bekungobulungisa bokôlo.

14 Kuba abo basemtêtweni, ukuba ngabo indla-mafa, ukôlo lungaba lenziwe into engento, nedinga lingaba lipûtîsiwe;

15 Kuba umtêtô usebenza ingqumbô. Ke apô kungekô mtêtô, akukô sigqito.

16 Ngenxa yoku *ilifa* lelaselukôlweni; ukuze libe ngokobabalo; ukuze idinga liqiniseke kuyo yonke imbêwu; lingabi kweyasemtêtweni yodwa, libe nakweyaselukôlweni luka-Abraham, ongubawo wetû sonke,

17 (Njengokuba kubâliwe *kwatîwa*: Ndikumisile ukuba ube nguyise wentlanga ezininzi,) pâmbî ko-Tixo, awakôlwayo kuye, obadlisa ubom abafileyo, azibize into ezingekôyo, zinge zikô.

18 Owakôlwayo ngetêmbâ kungekô netêmbâ-eli, ukuze abe nguyise wentlanga ezininzi, ngokoko kwatêtwayo: Iya kuba njalo imbêwu yakô.

19 Watî, engebutâtâka-nje ngokôlo, akondela emzimbêni wakê obuselufile, (emayela ekûlwini leminyaka ezelwe) kwa nokufa kwesizalo sika-Sara:

20 Owatî ngokusingisele kwidinga lika-Tixo, akatândabuza ngokungakôlwa, wesuka womelela ngokôlo, ezukisa u-Tixo,

21 Eqinisekile ukuba oko akumise ngedinga unakô nokukwenza.

Digitized by Google

22 Kungoko kwabalelwa nokubalelwa ebulungiseni kuye.
23 Kekaloku, ukuba kwabalelwa kuye, akubâlwanga ngenxa yakê yedwa;
24 Kwabâlwa nangenxa yetû tîna kwakuza kubalelwa kutî, tîna bakôlwayo kulowo wamvusayo u-Yesu i-Nkosi yetû kwabafileyo,
25 Owanikelwa ngenxa yezipôso zetû, waza wabuya wavuswa ngenxa yokugwetyelwa kwetû.

5 Ngoko sigwetyelwe-nje ngokwaselukôlweni, sinoxolo ku-Tîxo ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu;
2 Esaba nakô ngayo ukutî singene ngokôlo kolubabalo simiyo kulo, siqâyise ngokutêmbâ uzuko luka-Tîxo.
3 Asikupêla-ke oko, sizingca nangembândezelo-ezi; sisazi ukuba imbândezelo isebenza unyamezelo;
4 Unyamezelo-ke *lusebenza* ukucikideka; ukucikideka-ke *kusebenza* itêmbâ;
5 Itêmbâ-ke alidanisi, ngokuba utândo luka-Tîxo lutûlulelwe ezintliziyweni zetû ngo-Moya Oyingcwele esamnikwayo.
6 Kuba u-Kristu utê, sakubon' ukuba sisengama-atâlala, wabafela ngexesha elimisiweyo abangahloneli-Tixo.
7 Kuba kunga ngenkankulu ukutî ubani afele ilungisa; kuba utî mhlaumbî ubani abe nobuganga bokumfela olungileyo,
8 Ke yena u-Tîxo uqondakalisa okwakê ukusitânda, ngokukutî, sakubon' ukuba sisengaboni, u-Kristu asifele.
9 Kokukôna sigwetyelwe-nje ngegazi lakê, siya kusindiswa ngaye kuyo ingqumbô.
10 Kuba xa sitê, besizintshaba-nje, saxolelaniswa no-Tîxo ngako ukufa ko-Nyana wakê: kokôna, sixolelanisiwe-nje, siya kusindiswa ngobom bakê.
11 Asikupêla-ke oko; singabazingca nokuzingca nangaye u-Tîxo, ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, esamkele ngayo kaloku-nje uxolelaniso-olo.

12 Ngenxa yoko, njengokuba isono sangena ngamntu mnye ehlabatîni, kwangena-ke ukufa ngaso isono; kwaza ngokunjalo ukufa kwabatŷutŷa abantu bonke, ekubeni bonke bonayo:
13 Kuba kude kwakô umtêtô, kukô isono ehlabatîni, sibe-ke isono singabalelwa *mntwini* kungekô mtêtô;
14 Ukufa-ke kwalaula, kutâbatêla ku-Adam kwezisa ku-Moses, nakwabo bangonanga ngokufana nesigqito sika-Adam, oyintsobi yalowo ubeza kubakô.
15 Sisuke isipôso asabi njengoko sinjalo sona isibabalo. Kuba xa abaninzi-aba bafa sipôso salowo mnye, kokukôna ubabalo luka-Tîxo nesipô esingobabalo-olu lwalomntu mnye u-Yesu Kristu sapûpûmela kubo abaninzi-aba.
16 Kanjalo sona isipô asinjengokuba kwabanjalo ngalowo mnye wonayo. Kuba okunene isigwebo *seza ngenxa* yalowo mnye sesa ekugwetyweni; ke sona isibabalo *seza ngenxa* yezipôso ezininzi sesa ekugwetyelweni.
17 Kuba xa kwatî ngesipôso salowo mnye ukufa kwalaula ngalowo mnye: kokukôna baya kutî aba bakwamkelayo ukapûpûma kobabalo nokokupîwa ubulungisa, babe nokulaula ebomini ngaye lo umnye u-Yesu Kristu.
18 Ngoko-ke, njengokuba kwatî ngasipôso sinye kwabakô ukugwetywa kwabo bonke abantu; ngokunjalo kotî nangesigwebelo esinye kubekô ukugwetyelwa ubomi kubo bonke abantu.
19 Kuba njengokuba kwatî, ngokungeva komntu omnye lowo, abaninzi benziwa aboni: ngokunjalo kuya kutî, nangokuva kwalomnye, abaninzi benziwe amalungisa.
20 Kekaloku, umtêtô wangena nawo, ukuze isipôso sande; ke apô sandayo isono, lwapûpûma ngakumbî ubabalo;
21 Ukuze, njengokuba isono saba nokulaula ngokufa: ngokunjalo nobabalo lube nokulaula ngobulungisa, luse ebomini obungunapâkade ngaye u-Yesu Kristu i-Nkosi yetû.

6 Masitî-nina ngoko? Masihlale sihleli-na esonweni, ukuze ubabalo lwande?
2 Nakanye! Tîna safayo-nje kwisono, singatî-nina ukubasahlala kuso?
3 Anazi-na ukuba tîna sonke sabâptizelwayo ku-Kristu Yesu, sabâptizelwa ekufeni kwakê?
4 Ngoko-ke sancwatywa naye ngokubâptizelwa ekufeni; ukuze, njengokuba u-Kristu wavuswayo kwabafileyo ngalo uzuko lo-Yise: sitî ngokunjalo natî sihambê sinobom obutsha.
5 Kuba xa similiselwe kuye ngentsoli

Digitized by Google

yokufa kwakê, somiliselwa kuye nange-yokuvuka kwakê;

6 Sikwazi-nje oku, ukuba umntu wetû omdala wabetêlwa emnqamlezweni kunye naye, ukuze umzimbâ wesono upûtîswe, size singabi sasikônza isono;

7 Kuba owafayo ugwetyelwe wakûlulwa kuso isono.

8 Ukuba-ke safa kunye no-Kristu, siyakôlwa ukuba sodla ubom kwa kunye naye;

9 Sisazi, ukuba u-Kristu, evusiwe-nje kwabafileyo, akabi safa; ukufa akusampâti ngabukôsi.

10 Kuba *ukufa* awakufayo, wakufa kwisono kwaba kanye; ubomi-ke abudlayo, ubudlela ku-Tîxo.

11 Ngokunjalo nani zibaleleni ekutîni ningabafileyo okunene kwisono; kodwa ningabadla ubomi ku-Tîxo niku-Kristu Yesu i-Nkosi yetû.

12 Ngoko isono masingalauli emzimbêni wenu onokufa, ukuze nisilulamele ngokwenza inkanuko zawo.

13 Kanjalo amalungu enu maningawanikeli kuso isono, ukuba abe zintonga zentswela bulungisa; manizinikele ngokwenu ku-Tîxo ngokwabapîle bebe ngabafileyo, niwanikele ku-Tîxo amalungu enu, ukuba abe zintonga zobulungisa.

14 Kuba isono asiyi kunipâtâ ngabukôsi; kuba anipântsi komtêtô, nipântsi kobabalo.

15 Kutîwe-nina ngoko? sone-ne, kuba singepântsi kwamtêtô, sipântsi kobabalo? Nakanye!

16 Anazi-na ukuba lowo nizinikela kuye ukuba ngabakônzi bokumlulamela, ningabakônzi ngoku kulowo nimlulamelayo; nokokuba ningabesono, nisingise ekufeni; nokokuba ningabolulamo, nisingise ebulungiseni?

17 Makubulelwe-ke ku-Tîxo, ukuba nitê, beningabakônzi besono, nawululamela ngokwentliziyo umfuziselo wemfundiso enanikelwayo kuwo;

18 Natî nakuba nikûlulwe-ke kuso isono, nakônziswa kubo ubulungisa.

19 Nditêtâ ngokwabantu, ngenxa yobulwelwe benyama yenu; kuba njengoko nawanikelayo amalungu enu ukuba abe ngabakônzi bakô ukuncôla nokucâs' umtêtô, ukuba nicâs' umtêtô: ngokunjalo kaloku-nje wanikeleni amalungu enu ukuba abe ngabakônzi kubo ubulungisa, ukuba ningcwaliseke.

20 Kuba oko nibe ningabakônzi besono, beningabakûlulekileyo kubo ubulungisa.

21 Nani nasiqâmo sinina-ke ngeloxesha ngezizinto ninentloni ngazo ngoku? kuba isipêlo sazo kukufa.

22 Kaloku-ke, nikûlulwe-nje kuso isono, naza nakônziswa ku-Tîxo, ninaso isiqâmo senu sokuba ningcwaliseke; isipêloke sibe bubom obungunapâkade.

23 Kuba umvuzo wesono kukufa; ke sona isibabalo sika-Tîxo bubom obungunapâkade, ku-Kristu Yesu i-Nkosi yetû.

7 Anazi-na, bazalwana, (kuba nditêtâ kwabazi umtêtô), ukuba umtêtô umpâtâ ngobukôsi umntu ngexesha lonke adla ubom ngalo.

2 Kuba umfazi owendileyo, ubotshiwe ngumtêtô kwindoda yakê logama idla ubom; ukuba-ke itê yafa indoda, ukûlulekile kuwo umtêtô *ombopé* endodeni.

3 Ngoko-ke, ukuba utê waba kuyimbî indoda, yakubon' ukuba indoda yakê isadla ubom, kotîwa ngumfexezikazi. Ke ukuba itê yafa indoda *yakê* woba ukûlulekile kuwo umtêtô, ukuba angabi mfexezikazi, etê waba kuyimbî indoda.

4 Ngoko-ke, bazalwana bam, nani nabulawa nafa kuwo umtêtô ngawo umzimbâ ka-Kristu, ukuba nibe kuwumbî, kulowoke wavuswa kwabafileyo, ukuze sixakatê isiqâmo ku-Tîxo tîna.

5 Kuba oko besikwinyama, ukutâbatêka zizono obekuxókonxwa ngawo umtêtô, kwakusebenza emalungwini etû, ukuxakatâ isiqâmo esisa ekufeni.

6 Kengoku sikûlulwe tîna kuwo umtêtô, safayo-nje kwesasibanjwe kuko, ngokokude sikônze sinobutsha bomoya, singakônzi sinobudala *bomtêtô* obâliweyo.

7 Sitî-nina-ke? Umtêtô usisono-na? Nakanye! Ke ngendingasazanga isono, ukuba bekunge ngamtêtô; kuba nenkanuko ngendingayazanga, ukuba umtêtô ubungatshongo ukutî, Uz'ungakânuki.

8 Isono-ke sizuze itûba ngawo umtêtô, sasebenza ngapâkatî kwam yonke inkanuko; kuba kungekô mtêtô isono sifile.

9 Mna-ke bendifudula ndipîlile ungekô umtêtô; utê-ke wakufika umtêtô, sabuya sapîla isono, ndafa-ke mna;

Digitized by Google

10 Waza umtêtô obumiselwe ubomi, wafumaneka kum, wona lowo usingisa ekufeni.

11 Kuba isono sitê, sizuze itûba ngawo umtêtô, sandilukuhla, saza ngawo sandibulala.

12 Ngoko-ke umyalelo okunene ungcwele; nomtêtô ungcwele, unobulungisa, ulungile.

13 Oko-ke kulungileyo kwaba kukufana-ke kum? Nakanye! Saye sisisono; ukuze sibonakale sisisono, sisebenza ukufa kum ngoko kulungileyo; ukuze isono ngawo umtêtô sibe sisono esincamisileyo.

14 Kuba siyazi ukuba umtêtô ungowomoya; ke mna ndingowenyama, kutêngiswe ngam ndaba pântsi kwesono.

15 Kuba oko ndikwenzayo andikwazi mna; kuba endikutândayo oko andikwenzi; endikutîyayo oko ndiyakwenza;

16 Ukuba-ke endingakutândiyo, ndenza kôna oko, ndivumelana nomtêtô ukuba mhle.

17 Ngoko-ke ayisendim osebenza oko, seyisisono-esi simiyo ngapâkatî kwam.

18 Kuba ndiyazi ukuba ngapâkatî kwam, oko kukutî enyameni yam, akumi okulungileyo; kuba ukutânda kukô ukubakôoku kum, ke kôna ukukusebenza okuhle andikufumani.

19 Kuba okulungileyo endikutândayo andikwenzi; kôna okubi endingakutândiyo, oko ndiyakwenza.

20 Ukuba-ke endingakutândiyo mna, ndenza kôna oko, ayisendim okusebenzayo oko, seyisisono-esi simiyo ngapâkatî kwam.

21 Ndifumana ngoko lomtêtô kum, ukuba kutî, ndifuna ukukwenza okuhle, kusuke kubekô okubi kum.

22 Kuba ndikôlene nomtêtô ka-Tîxo ngokomntu ongapâkatî;

23 Kodwa ndibona mtêtô wumbî, emalungwini am, usilwa nomtêtô wengqiqo yam, unditîmbêla emtêtweni wesono lowo useqinalungwini am.

24 Atî-ke mna mntu uludwayi! azi ngubanina oya kundihlangula kulomzimbâ wokukufa?

25 Ndiyabulela ku-Tîxo ngo-Yesu Kristu i-Nkosi yetû. Ngoko-ke mna ngokwam ngayo ingqiqo okunene ndikônza umtêtô ka-Tîxo; kodwa ngayo inyama *ndikônza* umtêtô wesono.

8 Ngoko-ke ngoku akukô kugwetywa kwabaku-Kristu Yesu, abangahambîyo ngokwenyama, abahambâ ngoko-Moya.

2 Kuba umtêtô wo-Moya wobom, ndakuba ku-Kristu Yesu, wandikûlula emtêtweni wesono nokufa.

3 Kuba ekukôhlweni komtêtô, ekubeni uswel' amandla ngayo inyama, utê u-Tîxo, etûme owakê unyana efana nenyama *elaulwa* sisono, *emtûme* ngenxa yesono, wasigweba isono esenyameni-leyo;

4 Ukuze ibango lomtêtô lizaliseke kutî tîna singahambîyo ngokwenyama, sihambâyo ngoko-Moya.

5 Kuba abo bangokwenyama banyamekela izinto zasenyameni; abo-ke bangoko-Moya *banyamekela* izinto zase-Moyeni.

6 Kuba ukunyameka kwenyama ikukufa; ukunyameka-ke ko-Moya bubomi noxolo.

7 Ngokokuba ukunyameka kwenyama kububutshaba ku-Tîxo; kuba umtêtô ka-Tîxo ingawululameli, kuba inge nakô nokubanakô *ukwenje njalo*.

8 Abo-ke bakwinyama abanakumkôlisa u-Tîxo.

9 Ke nina anikwinyama, niku-Moya, ukuba kumi okunene u-Moya ka-Tîxo ngapâkatî kwenu. Ukuba-ke umntu akanaye u-Moya ka-Kristu, akangowakê lowo.

10 Ukuba-ke u-Kristu ungapâkatî kwenu, umzimbâ okunene ufile ngenxa yesono; kodwa umoya ububom ngenxa yobulungisa.

11 Ukuba-ke u-Moya walowo wamvusayo u-Yesu kwabafileyo umi ngapâkatî kwenu, yena owamvusayo u-Kristu kwabafileyo uya kuyenza ipîle nemizimbâ yenu enokufa, ngaye u-Moya wakê omiyo ngapâkatî kwenu.

12 Ngoko-ke, bazalwana, singabanetyala, kodwa kunge kuyo inyama ukuze siphile ngokwenyama.

13 Kuba xa nipîla ngokwenyama, niza kufa; ke ukuba niyazibulala ngo-Moya zife intlondi zomzimbâ, nopîla.

14 Kuba bonke abakôkelwa ngu-Moya ka-Tîxo, bangonyana baka-Tîxo abo.

15 Kuba anamkelanga moya wabukôboka, ukuba nibuye noyike; namkele umoya wokwenziwa onyana esidanduluka ngawo sitî, Abâ, Bawo.

Digitized by Google

16 U-Moya ngokwakê unqînelana nomoya wetû, ukuba singabantwana baka-Tîxo.
17 Ukuba-ke singabantwana, sikwazindla-mafa; indla-mafa zika-Tîxo, indla-mafa-ke kunye no-Kristu; ukuba okunene siva ubunzima kunye naye, ukuze sizukiswe nokuzukiswa kunye naye.

18 Kuba ndigqiba kwelitî, intlungu zelixesha lakaloku-nje azinakulinganiswa nobuqaqauli-obu buza kutŷilwa kutî.
19 Kuba ukulangazelela kwendalo kulinde ukutŷileka konyana baka-Tîxo.
20 Kuba indalo yalulanyiselwa kokunge luto, kunge ngakuvuma kwayo, kungenxa yowayilulamisayo, inetêmbâ,
21 Lokuba nendalo ngokwayo iya kukûlulwa ebukôbokeni bokonakala, isingiswe enkululekweni yozuko lwabantwana baka-Tîxo.
22 Kuba siyazi ukuba yonke indalo iyancwina inenimbâ kunye unangoku.
23 Asiyiyo-ke yodwa; sisuke natî banayo intlahlela yo-Moya, tîn'aba-ke ngokwetû sincwine ngapâkatî kwetû, silinde ukwenziwa onyana, inkululeko yomzimbâ wetû ke-leyo.
24 Kuba sasindiselwa etêmbêni; ke itêmbâ eselibonwa asitêmbâ; kuba oko akubonayo umntu angaba usakutêmbêlenina?
25 Ukuba-ke sitêmbê ukuzuza oko singakuboniyo, sikulinda kakûlu sinomonde.

26 Ngokukwanjalo-ke no-Moya uncedisana nokuswela kwetû amandla; kuba esingakutândazelayo ngokoko simelwe kutândaza ngako, asikwazi; utî-ke u-Moya ngokwakê asitêtêlele ngezincwino ezingatêtêkiyo.
27 Ke, ozipêngululayo intliziyo uyakwazi into okuyiyo ukunyameka ko-Moya; ngokuba ubatêtêlela abangcwele ngokuka-Tîxo.
28 Siyazi-ke ukuba zonke izinto zisebenziselana okulungileyo, kwabo bamtândayo u-Tîxo, kwababiziweyo ngokwengqibo yakê.
29 Ngokuba abo wabaziyo ngenx' engapâmbîli ukuba bafane nomfanekiso wopâmbîli ukuba bafane nomfanekiso wo-Nyana wakê, ukuze abe ngowamazibulo kubazalwana abaninzi.
30 Abo-ke wabamisayo ngenx' engapâmbîli, wabuya wababiza bona; waza abo wababizayo, wabuya wabagwebela bona; abo-ke wabagwebelayo, wabuya wabazukisa nokubazukisa bona.

31 Sitî-nina-ke ngoko kwezizinto? Ukuba u-Tîxo ungakutî, ngubanina ongasicâsayo?
32 Lowo gxebe ungamconganga owakê u-Nyana, wesuka wamnikela ngenxa yetû sonke, angatî-nina ukuba angasibabali zonke ezonto ndawo-nye naye?
33 Ngubanina oya kumangalela abanyulwa baka-Tîxo? Ingu-Tîxo-nje obagwebelayo.
34 Ngubanina o*bag*webayo? Ingu-Kristu-nje owa*ba*felayo; ngapezu koko-ke wabuya wavuka, ongasekunene kuka-Tîxo, ositêtêlelayo.
35 Ngubanina oya kusahlula ekusitândeni kuka-Kristu? Yimbândezelo-na, luxinaniso-na, yintshutshiso-na, yindlalana, bubuzé-na, yingozi-na, lîrele-na?
36 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa*,
Ngenxa yakô sibulawa imini yonke;
Sibalelwe ekutîni sizizimvu zokuxêlwa. In-Dum. 44, 22.
37 Kanti-ke kwezozinto zonke sisuke soyise sigqitisele ngaye owasitândayo.
38 Kuba ndeyisekile kukuba nakufa, nabom, nazitûnywa zezulu, nazilauli, nazipâtâ-mandla, nanto zingeneyo, nanto zizayo,
39 Nabupâkamo, nabunzulu, nasinye isidalwa esisimbî, asiyi kuba nakô ukusahlula *tîna* ekusitândeni kuka-Tîxo, okukuye u-Kristu Yesu i-Nkosi yetû.

9 Nditêtâ inyaniso ndiku-Kristu, andixoki, sibe nesazela sam sindinqînela ndise-Moyeni Oyingcwele,
2 Ukuba ndinentlungu kakûlu, nentutûmbô enkulu engapêliyo entliziyweni yam.
3 Kuba bendingade ndinqwenele ukusingelwa pântsi mna ngokwam ndahlukaniswe naye u-Kristu ngenxa yabazalwana bam, abayimizalwane yam ngokwenyama,
4 Abangama-Sirayeli bona; ekukokwabo ukwenziwa onyana, nokuzukiswa, nokupîwa iminqopîso, nokuwiswa komtêtô, nenkonzo ka-Tixo, namadinga;
5 Abangababo oyise; awapûma kubo u-Kristu ngokwenyama, u-Tîxo ongopê-

Digitized by Google

zu konke, engowokubongwa kude kube ngunapâkade. Amen.

6 Ke, xa nditshoyo anditêtî nto njengokungatî ilizwi lika-Tîxo lipâlele. Kuba asingabo bonke abapûma ku-Sirayeli abangama-Sirayeli;

7 Kananjalo abatê, ngakuba beyimbêwu ka-Abraham, baba ngabantwana bonke; kusuke kwatîwa, Imbêwu yakô iya kubizwa ngo-Isake;

8 Oko kukutî, asingabantwana benyama abangabantwana baka-Tîxo; ngabantwana bedinga ababalelwa ekutîni bayimbêwu.

9 Kuba lilo eli ilizwi ledinga: Ngelixesha nyakenye ndiya kuza, waye u-Sara eya kuba nonyana.

10 Alipêli apô-ke; kwatî naku-Rebeka, akubon' ukuba ukâule ngamnye, ngo-Isake ubawo wetû;

11 Nakuba *abantwana* babengekazalwa, bengekenzi nto nelungileyo nembî, ukuze ingqibo ka-Tixo ngokonyulo ihlale ihleli, inge ngokwasemisebenzini, ingokwalowo ubizayo,

12 Kwatîwa kuye, Omkûlu uya kukônza komnci;

13 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa:* U-Yakobi ndamtânda, ke u-Esau ndamtîya.

14 Sitî-nina-ke ngoko? Kukô ukuswel' ukulungisa kusinina kuye u-Tîxo? Nakanye!

15 Kuba esitî ku-Moses: Ndiya kuba nenceba kosukuba ndinenceba kuye, ndibe nofefe kosukuba ndinetaru kuye.

16 Ngoko-ke asikokotândayo, kanjalo asikokobalekayo; kokuka-Tîxo onenceba.

17 Kuba isibâlo sitî ku-Faro: Ndakuvelisela yona lento yokuba ndiwabonakalalisele kuwe amandla am, nokutî laziswe igama lam kuwo wonke umhlaba.

18 Ngoko-ke unenceba kwatând'ukumenzela inceba, atî-ke atândayo amenze lukûni.

19 Uya kutî kum ngoko, Usasolela-nina-ke? Kuba ngubanina omelana necebo lakê.

20 Ehla-ke mntundini! Ungubanina wena, ukuba upêndulane no-Tîxo? Into exonxiweyo ingatsho-na kumxonxi *wayo* ukutî, Yinina ukuba undenje nje ukundenza?

21 Kôna akanagunya-na umbumbî wodongwe ukwenza ngadongwe lambûmbâ nye esinye isitya sibe sesembêko, nesinye sibe sesinge sambêko?

22 Hi! ukuba-ke u-Tîxo, etânda ukubonakalalisa ingqumbô yakê nokwazisa amandla akê, watwala enokuzeka kade okukûlu izitya zengqumbô zilungiselwe intshabalalo;

23 Ukuze abazise ubutyebi bozuko lwakê ezityeni zenceba, abezilungisele uzuko ngenx' engapâmbîli;

24 Ezi wazibizayo, kwa tîna aba, kunge kuwo ama-Yuda odwa, kukwin-Tlanga nazo?

25 Njengokuba esitî nakweka-Hoseya,
Ndiya kubabiza abange bantu bam ngokuba ngabantu bam,
Nongatândiweyo ngokuba ngotândiweyo; u-Hos. 2, 23.

26 Kwakuya kutî, apô kwabe kusitîwa kubo, Aningabantu bam nina,
Babizwe apô ngokutî, Ningonyana baka-Tîxo opîlileyo. u-Hos. 1, 10.

27 Ke, u-Yesaya udanduluka ngo-Sirayeli, esitî, Nangona inani lonyana baka-Sirayeli lingangentlabati yaselwandle, ngamasalela *odwa* aya kusindiswa; u-Yes. 10, 22, 23.

28 Kuba elifeza ilizwi, aligqibe ngobulungisa; ngokuba i-Nkosi iya kwenza ilizwi *layo* pêzu komhlaba, ilifinyeze.

29 Kwa njengokuba u-Yesaya ebetshilo ngenx' engapâmbîli ukutî,
Ukuba i-Nkosi yemikosi ibingasishiyelanga mbêwu,
Ngesiba saba njenge-Sodom, ngesiba senziwa safana ne-Gomora. u-Yes. 1, 9.

30 Sitî-nina-ke ngoko? Sitî, in-Tlanga ebezingasukeli bulungisa, zabubambâ ubulungisa, ubulungisa-ke baselukôlweni;

31 Kodwa yena u-Sirayeli obesukela umtêtô wobulungisa, akafikelelanga emtêtweni wobulungisa.

32 Nganina? ngokuba *ukusukela kwakê* kwaye kunge ngokwaselukôlweni, kwaye kungatî kungokwasemisebenzini yomtêtô. Kuba babetêka elityeni-eli lokubetêka,

33 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa*,
Yabona, ndibeka e-Tsiyon ilitye lokubetêka,
Iliwa lesikûbekiso; bonke abakôlwayo kuye abayi kudaniswa. u-Yes. 8, 14.

Digitized by Google

10 Bazalwana, inkolelo yeyam intliziyo, nesikůngo sam kuye u-Tîxo, ngenxa yama-Sirayeli, sesokuba asindiswe.
2 Kuba ndiyabanqînela ukuba banokuzondelela u-Tîxo, koko bengamzondeleli ngokokwazi okukuko.
3 Kuba batê, bengabazi ubulungisa buka-Tîxo, befuna nokumisa obabo ubulungisa, ababululamela ubulungisa buka-Tîxo.
4 Kuba intsingiselo yomtêtô ngu-Kristu, ukuze abe bulungisa kubo bonke abakôlwayo.
5 Kuba u-Moses ubulungisa basemtêtẘeni utî ukububâla: Umntu ozenzileyo ezizinto uya kupîla zizo.
6 Ke bona obaselukôlweni ubulungisa butêtâ ngoluhlobo: Musa ukutî entliziyweni yakô, Ngubanina oya kunyuka aye ezulwini ukuba ahlise u-Kristu;
7 Nokutî, Ngubanina oya kuhla aye enzonzobileni, ukuba anyuse u-Kristu kwabafileyo.
8 Butî-nina-ke? Butî, Ilizwi-eli likufupî kuwe, emlonyeni wakô nasentliziyweni yakô: elo-ke lilizwi lokôlo, eli sivakalisa lona;
9 Ngokuba, xa utê wamvuma ngomlomo wakô ukuba yi-Nkosi u-Yesu, wakôlwa ngentliziyo yakô ukuba u-Tîxo wayivusa kwabafileyo: wosindiswa.
10 Kuba umntu ukôlwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume-ke ngomlomo, ukuze asindiswe.
11 Kuba isibâlo sitî: Bonke abakôlwayo kuye abayikudaniswa.
12 Kuba akukô kwahluka kwam-Yuda nam-Grike; kuba ikwayilo-Nkosi *eyi-Nkosi* yabo bonke, ibubutyebi kubo bonke abayinqulayo.
13 Kuba bonke abasukuba belinqula igama le-Nkosi bosindiswa.
14 Botî-nina-ke ukumnqula lowo bangakôlwanga kuye? Botî-nina-ke ukukôlwa kulowo bangamvanga? Botî-nina-ke ukuva kungekô mshumayeli?
15 Botî-nina-ke ukushumayela, bengatůnywanga? Njengokuba kubâliwe *kwatîwa:* Hayi, ukuba zintle kwazo inyawo zabashumayela indaba ezilungileyo zoxolo, zabashumayela indaba ezilungileyo zezinto ezilungileyo!

16 Abazilulamelanga-ke bonke indaba ezilungileyo, kuba u-Yesaya utî, Nkosi, ngubanina owakôlwayo ludaba lwetů?
17 Ngoko-ke ukôlo lupůma eludabeni, udaba-ke lukô ngelizwi lika-Tîxo.
18 Ingaba kodwa, abevanga-na? Ehla wena!
Intlokoma yabo yapůma yaya kuwo wonke umhlaba,
Namazwi abo aya ezipêlweni zelimiweyo. in-Dum. 19, 4.
19 Nditî, Kodwa ubengazi-na u-Sirayeli? Ukuqala, u-Moses utî,
Mna ndiya kunikẘeletisa ngabange luhlanga,
Ndiya kunicapůkisa ngohlanga olunge nangqondo. i-Dut. 32, 21.
20 Ke yena u-Yesaya akanqwanqwi utî,
Ndifunyenwe ngabebengandifuni,
Ndaba nokubonakala kwabebengandibuzi. u-Yes 65, 1.
21 Ke ngokubêkisele ku-Sirayeli utî,
Imini yonke izandla zam ndizolulele kubantu abangevayo abapîkayo. u-Yes. 65, 2.

11 Ngoko-ke nditî, U-Tîxo ubagibilena abantu bakê? Nakanye! Kuba nam lo ndingum-Sirayeli wasembêwini ka-Abraham, wesizwe sika-Benyamin.
2 U-Tîxo akabagibanga bona abantu bakê, abebazi ngenx' engapâmbîli. Okanye aniyazi-na indawo etêta ngo-Eliya esibâlweni ukumangalela kwakê ama-Sirayeli ku-Tîxo, esitî,
3 Nkosi, aba-profeti bakô ababulele, nezibingelelo zakô azicîtile; mna ndisele ndedwa, afuna-ke ubom bam.
4 Sisuke *esika-Tixo* isihlabo sitî-nina kuye? Sitî, Ndizishiyele amadoda angamawaka asixênxe angagobanga dolo ku-Bâli wona.
5 Ngokunjalo-ke ngoko nakwelixesha lakaloku-nje kukô amasalela ngokonyulo lobabalo.
6 Ukuba-ke kungobabalo, akusekwasemisebenzini; okanye ubabalo alungebe saba lubabalo; ukuba-ke kokwasemisebenzini, akuselubabalo; okanye umsebenzi awungebe saba msebenzi.
7 Kutîwe-nina ngoko? Kutîwe, Kôna oko akunxâmeleyo ama-Sirayeli akakufumananga, ke abanyuliweyo bakufumana; batî-ke abanye baqaqadekiswa;
8 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa*, U-Tîxo ubanike umoya wokuqōba, amehlo o-

Digitized by Google

kuba bangaboni, nendlebe zokuba bangeva, kwada kwaba yimini yanamhla.

9 Kanjalo u-Davide utî,
Isitêbe sabo masibe sibatâ, nesihogo *sokubambîsa*,
Nesikûbekiso, nesipîndezelo kubo;

10 Makenziwe abe mnyama amehlo abo, ukuba bangaboni,
Nomhlana wabo wugobe amaxa onke. in-Dum. 69, 22, 23.

11 Nditî ngoko, Bakûbeka ukuze bawena? Nakanye! Kutê ngesipôso sabo usindiso *lwafika* kuzo in-Tlanga, ukuze zibakwêletise.

12 Ukuba-ke isipôso sabo siba butyebi behlabatî, nokuncipâ kwabo kuba butyebi ben-Tlanga, yobeka pîna inzaliseko yabo?

13 Kuba nditêtâ kuni, zin-Tlanga. Ekubeni okunene mna ndingum-postile wen-Tlanga, ndiyaluzukisa ulungiselelo lwam;

14 Ukuba ndingade ndibakwêletise abenyama yam, ndisindise inxenye yabo.

15 Kuba xa ukulahlwa kwabo kuluxolelaniso lwehlabatî: kuba yinto-nina ukwamkelwa *kwabo*, akububomi obupûma kwabafileyo yinina?

16 Ukuba-ke intlahlela ingcwele, ikwanjalo nentlama; ukuba-ke ingcambû ingcwele, akwanjalo namasebe.

17 Ke ukuba inxenye yamasebe yaxûzulwa, watî-ke wena ungumnquma wasendle-nje wamiliselwa pâkatî kwawo, waba lidlelane nengcambû nokutyeba komnquma;

18 Musa ukuwaqâyisela amasebe; ke ukuba uya*wa*qâyisela, *yazi* ukuba asinguwe oyitwêleyo ingcambû; yingcambû etwêle wena.

19 Uya kutî ngoko, Axûzulwa amasebe, ukuze mna ndimiliselwe.

20 Utyapîle; axûzulwa ngokungakôlwa, ke wena umi ngokôlo; musa ukuratsha, yoyika.

21 Kuba u-Tîxo xa angawaconganga awasemvelweni amasebe, lumka hleze angakucongi nawe lo.

22 Kâububone-ke ububele nobukâli buka-Tîxo; ubukâli okunene kwabo bawayo; kodwa kuwe ububele, ukuba utê wahlala kobobubele; okanye wogaulwa nawe lo.

23 Nabo-ke, ukuba abatânga bahlale ekungakôlweni, bomiliselwa; kuba u-Tîxo unakô ukubuya abamilisele.

24 Kuba wena, xa wagaulwa kumnquma ongowasendle ngokwemvelo, waza wamiliselwa ngokunxamnye nemvelo komhle umnquma: bobeka pîna aba banga*masebe* ngokwemvelo ukumiliselwa kwabo kowabo umnquma?

25 Kuba anditândi, bazalwana, ukuba ningayazi lemfihlelo, ukuze ningabi zingqondi ngokwenu, le yokuba ukuqaqadeka kuwahlele ama-Sirayeli ngenxenye, ide ingene inzaliseko yazo in-Tlanga;

26 Aze ngokunjalo-ke wonke u-Sirayeli asindiswe, njengokuba kubâliwe *kwatîwa*,
Uya kuvela e-Tsiyon um-Hlanguli.
Akusonge kumke kwa-Yakobi ukungahloneli-Tîxo;

27 Nguwo-ke lo umnqopîso wam nabo,
Xa nditê ndazisusa izono zabo.
u-Yes. 59, 20; in-Dum. 14, 7.

28 Okunene ngokwendaba ezilungileyo, bazintshaba ngenxa yenu; kodwa ngokonyulo ngabazintânda ngenxa yobawo.

29 Kuba azinabuyambô izibabalo-ezi nobizo-olu luka-Tîxo.

30 Kuba njengokuba nani benifudula ningamvi u-Tîxo, ngoku-ke nenzelwe inceba kukungeva kwabo abo;

31 Kwa ngokunjalo nabo ababanga namvo ngoku, ukuze ngokwenzelwa kwenu inceba benzelwe nabo inceba.

32 Kuba u-Tîxo ubavalele ndawo-nye entswelemi kuva bonke, ukuze abenzele inceba bonke.

33 Hayi ubunzulu bobutyebi nobobulumko nobokwazi kuka-Tîxo! asikukô nokuba ayipêngululeki imigwebo yakê, azilandeki indlela zakê!

34 Kuba ngubanina oyazileyo ingqiqo ye-Nkosi? ngubanina kôna otê waba ngumcebisi wayo?

35 Ngubanina kôna owayinikayo ngenx' engapâmbîli, kwaza kwahuyekezwa kuye?

36 Ngokuba zipûma kuyo-ke zikô ngayo, zikolo yona zonke ezonto. Malube kuyo uzuko kude kube ngunapâkade. Amen.

12 Ndiyanivuselela ngoko, bazalwana, ngemfefe zika-Tîxo, ukuba niyinikele imizimbâ yenu ibe lidini elipîlileyo, elingcwele, elikôlekileyo ku-Tîxo, inkonzo yenu ke-leyo yasengqondweni.

Digitized by Google

2 Kanjalo ningamilisi okwelinâkade; manibe kumila kumbî ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukutânda kuka-Tixo, okulungileyo, okukôlekileyo, okuzalisekileyo.

3 Kuba ngalo ubabalo endababalwa ngalo, nditî kubo bonke abapâkatî kwenu, mabangazicingeli ngapézu koko bamelwe kuzicingela ngako; mabazicingele ingcinga epîlileyo njengoko u-Tixo abele ulowo nalowo umlinganiso wokôlo.

4 Kuba kwa njengokuba sinamalungu amaninzi mzimbêni mnye, abe-ke onke amalungu-la enge namsebenzi mnye:

5 Ngokunjalo tîn'aba sibaninzi-nje simzimbâ mnye ku-Kristu, sonke-ke ngabanye singamalungu omnye elomnye.

6 Sinezibabalo-nje-ke ezahlukahlukileyo, ngokobabalo esababalwa ngalo; nokuba sinokuprofeta, *masiprofete* ngokomlinganiselo wokôlo;

7 Nokuba sinobulungiseleli, *masihlale* ebulungiseleleni-obo; nokuba ngofundisayo, *makahlale* emfundisweni-leyo;

8 Nokuba ngovuselelayo, *makahlale* ekuvuseleleni oko; owabayo, *makabe* enge nakumbî; owongamelayo, *makongame* enyamekile; owenza inceba, *makayenze* inceba ecwayitile.

9 Utândo malungabi naluhanahaniso; kutîyeni okungendawo, namatêlani kokulungileyo.

10 Mayela notândo-olu lobuzalwana, nditî, Yenzelanani ububele; mayela nembêko-leyo, pângelanani;

11 Mayela nokunyameka-oko, musan' ukunqena; mayela nomoya-lo, vutâni; mayela ne-Nkosi-le, kônzani;

12 Mayela netêmbâ, vuyani; mayela nembândezelo, nyamezelani; mayela nomtândazo, zingisani;

13 Mayela nentswelo zabangcwele, yibani nobudlelane; ukubuka indwendwe kusukeleni.

14 Basikeleleni abanitshutshisayo; sikelelani, ningaqalekisi.

15 Vuyani nabavuyayo, nilile nabalilayo.

16 Cingelanani nto nye; musan' ukucinga izinto ezipâkamileyo, tsalelani kwezitôbekileyo. Musan' ukuba zingqondi ngokwenu.

17 Ningabuyekezi ububi ngobubi nakubani. Kâtâlelani okuhle emehlweni abantu bonke.

18 Ukuba kunokwenzeka, okukokwenu nina, hlalani ninoxolo nabantu bonke.

19 Musan' ukuzipîndezelela, zintânda; yikwêleleni ingqumbô; kuba kubâliwe *kwatîwa*, Impîndezelo yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho i-Nkosi.

20 Ngoko-ke, ukuba utshaba lwakô lulambîle, lupê ludlo; ukuba lunxaniwe, luseze; kuba ngokwenje njalo-ke woba ufumbâ amalahlo omlilo pézu kwentloko yalo.

21 Musa ukweyiswa bububi; boyise ububi ngokulungileyo.

13 Yonke imipêfumlo mayiwalulamele amagunya awongamileyo. Kuba akukô gunya linge lilo elivela ku-Tîxo; amagunya-ke akôyo amiswe ngu-Tîxo.

2 Ngoko-ke olicâsayo igunya, umelene nommiselo ka-Tîxo; abe-ke bameleneyo *nawo* baya kuziguqulela ukugwetywa.

3 Kuba abapâtî-aba asingabokoyikwa kwimisebenzi elungileyo, *ngabokoyikwa* kwemibi. Unga akungeloyiki-na-ke igunya? yenza okulungileyo, wodunyiswa kwalilo;

4 Kuba lingumlungiseleli ka-Tîxo wokuba kulungele wena. Ke, ukuba usuke wenze okubi, yoyika; kuba alifumane lalipâtâ irele, kuba lingumlungiseleli ka-Tîxo, umpîndezeli ngengqumbô kowenza okubi.

5 Kungoko nditî, kufuneka ukulilulamela, ningakwenzi oko ngenxa yengqumbô yodwa, nikwenze nangenxa yesazela.

6 Kuba kukwangenxa yoko eninikela ifafu; kuba ngababusi baka-Tîxo, bezingisa ukusebenza lonto.

7 Ngoko bonke banikeni okubafaneleyo; *mnikeni* i-fafu ofanelwe yi-fafu, unikelo ofanelwe lunikelo, ukoyika ofanelwe kukoyikwa, imbêko ofanelwe yimbêko.

8 Musan' ukuba natyala[1] lanto mntwini, linge lilo elokutândana; kuba omtândayo omnye uzalise umtêtô.

9 Kuba oku kutî: Uz'ungafexezi, uz'ungabulali, uz'ungêbi, uz'unganqîni buxoki, uz'ungakânuki, nokuba kukô wumbî umtêtô, uhlanganiselwe kwelilizwi lokutî: Uz'ulutânde umelwane lwakô ngoko uzitânda ngako.

10 Utândo alusebenzi bubi kulo umelwane; ngoko utândo luyinzaliseko yomtêtô.

[1] Isi-kwolitî.

Digitized by Google

11 Ke, oko *masikwenze*, silazi-nje ixesha-eli, ukuba lilixa lokuba ngoku sivuke ebutôngweni; kuba ngoku usindiso lukufupî kutî, kunokuya saqalayo ukukôlwa.
12 Ubusuku buhambîle, ukusa-ke kusondele. Masiyilahle ngoko imisebenzi yobumnyama, sixôbe intonga zokukânya.
13 Masihambê sizibekile ngokwasemini; kungabi sezindywaleni nasekunxileni; kungabi sekupîmiseni nasebufeletyweni; kungabi sezinkanini nasemoneni.
14 Yambâtâni-ke i-Nkosi u-Yesu Kristu; ize ukwazalelela inyama ningakwenzeli ukukwêzelela inkanuko zayo.

14 Lowo-ke uswel'amandla elukôlweni mamkeleni, kodwa-ke kungabi ngokucalula zicamango.
2 Omnye okunene uyakôlwa ukuba angazidla izinto zonke; kodwa yena oswel' amandla udla imifuno yodwa.
3 Lowo udlayo, makangamenzi into enge nto ongadliyo; nalowo ungadliyo, makangamgwebi odlayo; kuba u-Tîxo emamkele.
4 Ungubanina wena ugweba isicaka somnye? ukuma kwaso nokuba kukuwa *kwaso* kusenkosini yaso. Siya kuma-ke; kuba u-Tixo unakô ukusimisa.
5 Omnye okunene ubeka umhla otîle kunomnye umhla, wumbî-ke ubeka imihla yonke. Elowo nalowo makaqiniseke kweyakê ingqiqo.
6 Lowo uwunyamekelayo umhla, uwunyamekelela i-Nkosi; nalowo ungawunyamekeliyo umhla, engawunyamekeli-nje, *wenzela* i-Nkosi, Lowo udlayo udlela i-Nkosi, kuba ebulela ku-Tîxo; nalowo ungadliyo, engadli-nje *wenzela* i-Nkosi, abe ebulela ku-Tîxo.
7 Kuba akukô namnye kutî uzidlelayo ubom, akukô namnye uzifelayo.
8 Kuba nokuba sitî sidle ubom, sibudlela i-Nkosi; nokuba sitî sife, sifela i-Nkosi. Ngoko-ke nokuba sitî sidle ubom, nokuba sitî sife, singabe-Nkosi.
9 Kuba u-Kristu wafa, wabuya wavuka, wabuya wadla ubom ngenxa yoku, ukuze apâtê ubukôsi kwabafileyo kwanakwabapîlileyo.
10 Ke wena yinina ukuba umgwebe umzalwana wakô? Hi wena, yinina ukuba umenze into enge nto umzalwana wakô? kuba tina siya kuma sonke pâmbî kwesihlalo sokugweba sika-Kristu.
11 Kuba kubâliwe *kwatîwa*,
Ndihleli-nje mna, itsho i-Nkosi, aya kugoba kum onke amadolo,
Zidumise u-Tîxó zonke ilwimi.
u-Yes. 45, 23.
12 Ngoko-ke elowo kutî uya kuzipêndulela ku-Tîxo.

13 Masingabi sagwebana ngoko; kanye yitîni ukugweba, makungabekwa siwiso, nasikûbekiso, pâmbî komzalwana.
14 Ndiyazi, ndeyisekile ndise-Nkosini u-Yesu-nje ukuba akukô nto iyinqambî ngokwayo; kodwa-ke kuye obalela into ekutîni iyinqambî, kulowo iyinqambî.
15 Ukuba-ke umzalwana wakô wenziwa buhlungu ngenxa yokusuke udle, akusahambî ngokotândo. Musa ukumtshabalalisa ngokudla kwakô yena lowo u-Kristu wamfelayo.
16 Ngoko okulungileyo kwenu makunganyeliswa.
17 Kuba ubukumkani buka-Tîxo abukudla nakusela; bubulungisa noxolo novuyo e-Moyeni Oyingcwele.
18 Kuba omkônzayo u-Kristu kwezozinto, ukôlekile kakuhle kuye u-Tîxo, ucikidekile nakubo abantu.
19 Ngoko-ke masisukele izinto zoxolo, nezinto zokwakâna.
20 Musa ukutî ngenxa yokudla uwucîte umsebenzi ka-Tîxo. Okunene, konke kuhlambûlukile; kodwa-ke kubi kulomntu udlayo ewis' abanye.
21 Kuhle ukuba ungadli nyama, ungaseli wayini, ungenzi nto, angabetêka kuyo umzalwana wakô, akûbeke kuyo, aswel' amandla okuzigcina.
22 Wena unokôlo-na? Hlala nalo emehlweni ka-Tîxo. Unoyolo lowo ungazigwebiyo kulonto ayicikidileyo.
23 Ke lowo utândabuzayo, ukuba utê wadla, uselegwetyiwe, kuba engadli ngokwaselukôlweni; konke-ke okunge kokwaselukôlweni, kusisono.

15 Tîna-ke bomeleleyo sifanele ukukutwala ukuswel'amandla kwabangomeleleyo, singazikôlisi.
2 Masitî sonke ngabanye silukôlise umelwane kokululungeleyo, ukuze lwakêke.
3 Kuba naye u-Kristu akazikôlisanga; watî, njengokuba kubâliwe, Ingcikivo zabakungcikivayo zawa pêzu kwam.

Digitized by Google

4 Kuba into zonke ezabâlwayo ngenx' engapâmbîli, zaye zibâlelwa okwetû ukufundiswa, ukuze sitî ngalo unyamezelo novuselelo lwezibâlo sibe nalo itêmbâ.

5 Wanga-ke u-Tîxo wonyamezelo novuselelo anganinika ukucinga nto nye pâkatî kwenu ngokuka-Kristu Yesu;

6 Ukuze niti nimxêlo mnye nimzukise ngamlomo mnye u-Tîxo u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

7 Kungoko nditî, Yamkelanani, njengokuba naye u-Kristu wasamkelayo, ukuba kuzukiswe u-Tîxo.

8 Kekaloku nditî, u-Yesu Kristu waba ngumlungiseleli wolwaluko ngenxa yenyaniso ka-Tîxo, ukuze aqiniseke amadinga akê kobawo;

9 Zitî-ke in-Tlanga zimzukise u-Tîxo ngenxa yenceba *yakê*, njengokuba kubâliwe *kwatîwa*,

Ngenxa yoko ndiya kukudumisa pâkatî kwen-Tlanga,
Ndilibetêle uhadi igama lakô.
in-Dum. 18, 49.

10 Kananjalo atî,
Yibani nemihlali, zin-Tlanga, ndawonye nabantu bakê. i-Dut. 32, 43.

11 Kananjalo,
Yidumiseni i-Nkosi nonke nina zin-Tlanga,
Niyibonge, nonke nina bantu.
in-Dum. 117, 1.

12 Kananjalo u-Yesaya utî,
Liya kubakô ihlumelo lika-Isayi,
Uya kuvela oya kulaula in-Tlanga;
Ziya kutêmbêla kuye in-Tlanga.
u-Yes. 11, 1. 10.

13 Wanga-ke u-Tîxo wetêmbâ-elo anganizalisa ngalo lonke uvuyo noxolo ekukôlweni, ukuze nipûpûme itêmbâ ngamandla o-Moya Oyingcwele.

14 Kekaloku, bazalwana bam, ndeyisekile nam ngokwam, mayelana nani, kukuba nani ngokwenu nizele nazaliswa kulunga, nizele kuko konke ukwazi, ninakô nokululekana.

15 Kodwa-ke ndibâlile kuni ngobuganga obukûlu kwezinye indawo, bazalwana, ngokopîndayo ukunikûmbûza ngenxa yobabalo awandibabala ngalo u-Tîxo,

16 Ukuze ndibe ngobusela in-Tlanga ku-Yesu Kristu, osebenza ububingeleli ngazo indaba ezilungileyo zika-Tîxo, ukuze ukusondezwa kwen-Tlanga kwamkeleke kakuhle, kungcwalisiwe ngo-Moya Oyingcwele.

17 Ngoko ndiyazingca, ndiku-Kristu Yesu, ngezinto ezilunge ku-Tîxo.

18 Kuba mna andiyi kuba nabuganga bakutêtâ nto ngezinto angazisebenzanga u-Kristu ngam, ukuze zimlulamele in-Tlanga, ngelizwi-ke nangomsebenzi,

19 Ngamandla emiqondiso nezimanga, ngamandla o-Moya ka-Tîxo; endide ndatî nditâbatêla e-Yerusalem, ndajikelezisa ndezisa kwelase-Iliriko, ndazizalisa indaba ezilungileyo zika-Kristu.

20 Ndenje njalo-ke ukuyitânda imbêko yokushumayela indaba ezilungileyo, kunge kôna apô u-Kristu wakânkanywayo, ukuze ndingakî pêzu kwesiseko somnye;

21 Kube njengokuba kubâliwe, *kwatîwa*,

Abo bangabikelwanga nto ngaye, baya kubona;
Nabo bangevanga nto baya kuqonda.
u-Yes. 52, 15.

22 Kungoko ndabanjezelwayo nokubanjezelwa futî ukuba ndingafiki kuni.

23 Ngoku-ke ndingasenandawo-nje kulemimandla, ndineminyaka-ke emininzi ndilangazelela ukuza kuni;

24 Xa ndihambêla kwelase-Spani, ndoza kuni; kuba nditêmbâ ukunibona xa ndicandayo *kuni*, nokupêlekelelwa nini ukuya kôna, ukuba nditê kuqala ndakâ ndadlelana nani ngokwaneleyo.

25 Kaloku-nje-ke ndisinga e-Yerusalem, ndisiya kulungiselela abangcwele.

26 Kuba kwakôleka kwabelase-Makedoni nabelase-Akaya ukuba badlelane namahlwempu abo bangcwele base-Yerusalem *ngokuwapâ okutîle*.

27 Nditî kwakôleka kubo, kuba kakade banetyala kubo. Kuba in-Tlanga xa zadlelanayo nabo ngezinto zabo ezizezomoya, zifanele ukubabusela ngezizezenyama.

28 Ngoko ndakuba ndikufinyezile oko, ndasinqabisela kubo esosiqâmo, ndobuya ngani ukuya kwelase-Spani.

29 Ndiyazi-ke ukuba ndotî, ndakuza kuni, ndize ndinentsikelelo ezalisekileyo yendaba ezilungileyo zika-Kristu.

30 Kekaloku, ndiyanivuselela, bazalwana, ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, nangalo utândo lo-Moya, ukuba nizame kunye nam ekunditândazeleni kuye u-Tîxo,

Digitized by Google

31 Ukuze ndihlangulwe kwabazinqôla kwelakwa-Yuda, nokuze ulungiselelo lwam olusinga e-Yerusalem lube nokwamkeleka kakuhle kubo abangcwele,
32 Ukuze ndize kuni ndinovuyo, ngokutânda kuka-Tixo, sipûmzane.
33 U-Tixo-ke woxolo makabe nani nonke. Amen.

16 Kekaloku ndimyaleza kuni u-Fibî udade wetû, ongumlungiseleli webandla elise-Kenkreya:
2 Ukuze nimamkele ngokwase-Nkosini ngokufanele abangcwele, nimncede emcimbîni asukuba enifunela wona; kuba naye ube ngumongi wabaninzi nowam lo.

3 Bulisani ku-Prisila no-Akwila abasebenzisi bam abaku-Kristu Yesu;
4 Bona batî, ngenxa yobom bam, bazibeka *emgoqweni* ezabo intamo, ekungabuleli mna ndedwa kubo, ekubulela nawo onke amabandla azo in-Tlanga.
5 *Bulisani* nakwibandla elisendlwini yabo. Bulisani ku-Peneto intânda yam, oyintlahlela yelase-Akaya ku-Kristu.
6 Bulisani ku-Mariya, yena wabulalekayo kakûlu emsebenzini we-Nkosi.
7 Bulisani ku-Androniko no-Yuniya, imizalwane yam nabatînjwa ndawo-nye nam, bona badumileyo pâkatî kwaba-postile, kanjalo baba ku-Kristu ngapâmbi kwam.
8 Bulisani ku-Ampliya intânda yam ngokwase-Nkosini.
9 Bulisani ku-Urbano umncedisi wetû ku-Kristu, no-Staki intânda yam.
10 Bulisani ku-Apele ocikidekileyo ku-Kristu. Bulisani kwabakwa-Aristobulo.
11 Bulisani ku-Herodiyo umzalwane wam. Bulisani kwabakwa-Narkiso abase-Nkosini.
12 Bulisani ku-Trifena no-Trifosa, abo babulalekayo emsebenzini we-Nkosi. Bulisani ku-Persi intânda, yena wabulalekayo kakûlu ngenxa yetû.
13 Bulisani ku-Rufo onyuliweyo wase-Nkosini, nonina umâ.
14 Bulisani ku-Asinkrito, ku-Filego, ku-Herma, ku-Patroba, ku-Herme, nabazalwana abanabo.
15 Bulisani ku-Filologo, no-Yuliya, ku-Nere nodade wabo, no-Limpa, nabo bonke abo bangcwele banabo.
16 Bulisanani ngolwango olungcwele. Ayanibulisa amabandla ka-Kristu.

17 Kekaloku, ndiyaniyala, bazalwana, balumkeleni abo benza imbâmbâniso nezikûbekiso, ezinxamnye nemfundiso enayifundayo nina, nipâmbûke kubo.
18 Kuba abanjalo abakônzi yona i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, bakônza esabo isisu; baze ngamazwi anencasa nalalanisayo balukuhle intliziyo zabangazeli bubi.
19 Kuba ukululama kwenu kuye kwafika kubo bonke. Ndiyavuya ngoko ngani; ndinga-ke ningaba ngabalumkileyo okunene kokulungileyo; kodwa nibe ngabange nabuqînga kokubi.
20 U-Tixo-ke woxolo uya kumtyumza u-Satana kamsinya pântsi kwenyawo zenu.

Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani. Amen.
21 Bayanibulisa o-Timoti osebenza nam, no-Lukiyo no-Yason no-Sosipatro imizalwane yam.
22 Ndiyanibulisa ngokwase-Nkosini, mna Tertiyo, uyibâlileyo lencwadi.
23 Uyanibulisa u-Gayo, esilundwendwe lwakê mna nebandla lipêla. Uyanibulisa u-Erasto igosa lomzi, no-Kwarto umzalwana.

24 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani nonke. Amen.
25 Kekaloku, kuye onakô ukunizimasa ngokwendaba zam ezilungileyo novakaliso luka-Yesu Kristu, ngokokutyîlwa kwemfihlelo ebifihliwe kwasepâkadeni,
26 Ebonakalalisiweyo-ke ngoku, eyaziswayo kanjalo ngezibâlo zaba-profeti ngokommiselo ka-Tixo ongunapâkade, ukuba kubekô ukululamela ukôlo, kuzo zonke intlanga,
27 Ku-Tixo olumke yedwa, ngaye u-Yesu Kristu, malubekô uzuko kude kube ngunapâkade. Amen.

Digitized by Google

INCWADI YOKUQALA KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-KORINTE.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu, obizwe ngokutânda kuka-Tixo, no-Sostenes umzalwana,

2 *Ubâlela* ibandla lika-Tîxo elise-Korinte, abangcwaliselwe ku-Kristu Yesu, ababizwe ukuba babengcwele, kunye nabo bonke abalinqulayo igama le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu endaweni zonke, ezabo kwa nezetû, *utî*,

3 Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo wetû ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

4 Ndihlala ndibulela kuye u-Tîxo wam ngani, ngenxa yobabalo luka-Tîxo awanibabala ngalo niku-Kristu Yesu,

5 Kuba natyetyiswa kuye ngezinto zonke, ngokutêtâ konke nangokwazi konke;

6 Njengokuba ubunqîna buka-Kristu baqiniswayo kuni;

7 Ngokokude ningasileli nakwisinye isipo enisibabalweyo; nilinde kakûlu ukutŷileka kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu;

8 Oya kuniqinisa nokuniqinisa ase ekupêleni, ukuze ningabi nakumangaleleka ngemini ye-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

9 Utêmbêkile u-Tîxo, enabizelwa nguye ebudlelaneni bo-Nyana wakê u-Yesu Kristu i-Nkosi yetû.

10 Kekaloku, ndiyaniyala, bazalwana, ngalo igama le-Nkosi yetû, u-Yesu Kristu, ukuba nitêtê nto nye nonke, nokuba kungabikô zahlukahlukano kuni; ke nibe ngabalungisiweyo nigqibelele ngqiqweni nye nasicamangweni sinye.

11 Kuba ndazisiwe ngani, bazalwana bam, ngabakulo-Klowe, ukuba kukô impikiswano pâkatî kwenu.

12 Ukutsho-ke ndití, *kutîwa*, ulowo kuni utî, Mna ndingoka-Paulos; *omnye-ke* atî, Mna ndingoka-Apolo; *omnye-ke* atî, Mna ndingoka-Kefas; *omnye-ke* atî, Mna ndingoka-Kristu.

13 Wahlukahlukene-na u-Kristu? Kwabetêlwa u-Paulos yinina emnqamlezweni ngenxa yenu? nabâptizelwa egameni lika-Paulos kusinina?

14 Ndiyabulela ku-Tîxo, ukuba ndingabâptizanga namnye kuni, inge ngu-Krispo no-Gayo;

15 Ukuze kungabikô mntu utî, ndabâptizela egameni lam.

16 Ndabâptiza-ke nendlu ka-Stefana; ngapândle kwabo andazi ukuba ndabâptiza wumbî.

17 Kuba u-Kristu akanditûmanga kubâptiza; wanditûma ukushumayela indaba ezilungileyo, kungabi ngabulumko bakutêtâ, ukuze umnqamlezo ka-Kristu ungalanjatiswe.

18 Kuba ilizwi lomnqamlezo libudenge okunene kwabatshabalalayo; kodwa-ke kwabasindiswayo, tîn' aba, lingamandla ka-Tîxo.

19 Kuba kubâliwe *kwatîwa*,
Ndiya kubutshabalalisa ubulumko bezilumko,
Ingqondo yengqondi ndiyitshitshise.
u-Yes. 29, 14.

20 Sipîna-ke isilumko? upîna-ke umbâli? upîna-ke umpîki welipâkade? U-Tîxo akabenzanga baba bududenge-na ubulumko belihlabatî?

21 Ekubeni-ke kutê ebulumkweni buka-Tîxo ihlabatî alamazi u-Tîxo ngobulumko balo, kwakôleka ku-Tîxo ukusindisa abo bakôlwayo ngabo ubudenge bokuvakalisa *indaba ezilungileyo*.

22 Ekubeni-ke ama-Yuda ecela umqondiso, ama-Grike efuna ubulumko;

23 Tîna okwetû sivakalisa u-Kristu, ebetêlwe emnqamlezweni, isikûbekiso ke-eso kuma-Yuda, ubudenge kuma-Grike;

24 Ke kwabo babiziweyo, ama-Yuda kwa nama-Grike, sivakalisa u-Kristu ongamandla ka-Tîxo, nobulumko buka-Tîxo.

25 Ngokuba into ka-Tîxo ebudenge ilu-

Digitized by Google

mkile kunabantu, nento ka-Tîxo enge namandla yomelele kunabantu.

26 Kuba luboneni ubizo lwenu, bazalwana, ukuba azizininzi izilumko ngokwenyama, ababaninzi abanamandla, akamaninzi amanene;
27 U-Tîxo usuke wanyula izinto ezibudenge zehlabatî, ukuze azidanise izilumko; nezinto ezinge namandla zehlabatî usuke u-Tîxo wazinyula, ukuze azidanise izinto ezomeleleyo;
28 Nezinto zehlabatî ezinge nabuntu, nezinge nto yanto wazinyula u-Tîxo, nezingatî azikô, ukuze azipûtîse izinto eziköyo;
29 Ukuze kungaqâyisi namnye umntu emehlweni akê.
30 Ke nipûma kuye nina baku-Kristu Yesu, owatî ngenxa yetû waba bulumko obuvela ku-Tîxo, nobulungisa kwa nobungcwalisa nentlaulelo;
31 Ukuze, njengoko kubâliweyo, Oqâyisayo aqâyise nge-Nkosi.

2 Mna-ke, ndakuba ndizile kuni, bazalwana, andizanga ngabugcisa bakutêtâ nabulumko, ndinazisa ubunqîna buka-Tîxo.
2 Kuba ndagqiba kwelokuba ndingazi nto pâkatî kwenu, inge ngu-Yesu Kristu, naye-ke ebetêlwe emnqamlezweni.
3 Mna kuni, ndafika ndaba ngotâmbîleyo onokoyika, onokugubâ okukûlu.
4 Nokutêtâ kwam nokuvakalisa kwam *u-Kristu* kube kunge ngamazwi oyisa ngabulumko babantu, bekungokuqondakalisa ko-Moya nokwamandla,
5 Ukuze ukôlo lwenu lungabi sebulumkweni babantu, lube semandleni ka-Tîxo.

6 Ke sitêtâ ubulumko pâkatî kwabagqibeleleyo, ubulumko-ke obunge bubo obelipâkade nobabapâtî belipâkade ababângayo.
7 Sitêtâ ubulumko buka-Tîxo obusemfihlekweni, obo-ke bufihlakeleyo, awatî u-Tîxo ngenx' engapâmbîli kwangapâmbî kwawo amapâkade, wabumisela uzuko lwetû;
8 Ekungabangakô namnye wabapâtî belipâkade ubaziyo, (kuba ukuba bebebazi, ngebengayibetêlanga emnqamlezweni i-Nkosi yozuko,)
9 Njengoko-ke kubâliweyo, *kwatîwa*,
Izinto ezingabonwanga liso, nezingaviwanga ndlebe.
Nezingatânga-qata entliziyweni yomntu,
Zizo u-Tîxo awazilungisela abo bamtândayo. u-Yes. 64, 4.
10 U-Tîxo wazityîla kutî-ke ngo-Moya wakê; kuba u-Moya upêngulula zonke izinto, nenzulu zika-Tîxo.
11 Kuba nguwupîna kubantu ozaziyo izinto zomntu, inge nguwo umoya womntu okuye? Ngokunjalo nezinto zika-Tîxo akukô namnye uzaziyo, inge nguye u-Moya ka-Tîxo.
12 Ke tîna asamkelanga moya wehlabatî, samkele u-Moya opûma kuye u-Tîxo, ukuze sizazi izinto esazibabalwa ngu-Tîxo;
13 Esizitêtâyo nokuzitêtâ, kunge ngamazwi anokufundiswa bubulumko babantu, kungawo anokufundiswa ngu-Moya Oyingcwele; izinto ezizezomoya sizilungelelanisa namazwi-la angawomoya.
14 Owemvelo-ke umntu akazamkeli izinto zo-Moya ka-Tîxo; kuba zibudenge kuye; kanjalo akanakuzazi, ngokuba zipîcotwa ngoko-Moya.
15 Ke ongowo-Moya, okunene upîcota zonke izinto, kodwa yena ngokwakê akapîcotwa mntu.
16 Kuba ngubanina oyaziyo ingqiqo ye-Nkosi, oya kutî ayifundise? Tîna-ke sinengqiqo ka-Kristu.

3 Nam-ke, bazalwana, bendinge nakutêtâ kuni njengakwabo-Moya, bendinokutêtâ njengakwabenyama, njengakwabazintsana ku-Kristu.
2 Ndaniseza amasi, *andaninika* kudla *kuqinileyo;* kuba nibe ningekabi nakomelela, unangoku anikabi nakô;
3 Kuba nisengabenyama; oku-nje kukôyo pâkatî kwenu umona, nenkani, nembâmbâniso, aningabenyama-na? aniha-mbî ngokwabantu-na?
4 Kuba xa utîle atî, Mna ndingoka-Paulos, atî wumbî, Mna ndingoka-Apolo, aningabenyama-na-ke?
5 Ungubanina yena u-Paulos? engubanina yena u-Apolo? Ingabalungiselelanje kupêla, enakôlwa ngabo, njengokuba i-Nkosi yamnikayo ulowo nalowo.
6 Mna ndatyala, u-Apolo wancenceshe, ke ngu-Tîxo owahlumisayo.

Digitized by Google

7 Ngoko-ke lowo utyalayo akaluto, nalowo uncenceshayo akaluto, oyinto ngu-Tixo-lo uhlumisayo.

8 Lowo utyalayo-ke nalowo uncenceshayo banto nye; kodwa elowo uya kwamkela owakê umvuzo ngokukokwakê ukubulaleka.

9 Kuba tina singabasebenzisi baka-Tixo, nina niyintsimi ka-Tixo, nisisakiwo sika-Tixo.

10 Ngokobabalo luka-Tixo, endababalwa ngalo, nditi ngokomaki osilumko, ndibeke ilitye lesiseko, ati-ke omnye akê pêzu *kwalo;* ke elowo makakângele ukuba uti-nina ukwaka kwakê pêzu *kwalo.*

11 Kuba akukô namnye unakô ukubeka litye limbi lesiseko nxamnye nelo libekwe *kade,* lingu-Yesu ongu-Kristu.

12 Ukuba-ke umntu ukê waka pêzu kwelilitye lesiseko i-golide, i-silvere, amatye anqabileyo, imiti, inca, indiza:

13 Umsebenzi walowo nalowo wobonakalaliswa; kuba lomini iya kuwazisa, ngokuba iya kuvela inomlilo; nomsebenzi walowo nalowo umlilo uya kuwucikida ubunjani bawo.

14 Ukuba umsebenzi awawakâyo umntu pêzu *kwalo,* ute wahlala uhleli: wowamkela umvuzo.

15 Ukuba umsebenzi womntu ute watshiswa: wolahlekelwa *ngumvuzo wakê,* ke yena okwakê wosindiswa, kodwa-ke ange upûmele emlilweni.

16 Anazi-na ukuba niyi-tempile ka-Tixo, anazi-na ukuba u-Moya ka-Tixo umi ngapâkati kwenu?

17 Ukuba umntu uyayonakalisa i-tempile ka-Tixo, u-Tixo womonakalisa lowo; kuba i-tempile ka-Tixo ingcwele, ninjaloke.

18 Makungabikô namnye uzikôhlisayo. Ukuba umntu uba usilumko pâkati kwenu kwelipâkade, makabe sidenge, ukuze abe silumko.

19 Kuba ubulumko belihlabati bubudenge kuye u-Tixo; kuba kubâliwe *kwatiwa,* Yena uyazibambisa izilumko kubuqêtseba bazo;

20 *Kwatiwa* kananjalo, I-Nkosi iyazazi izicamango zezilumko ukuba azinto.

21 Ngoko-ke makungabikô namnye uqâyisa ngabantu; kuba into zonke zezenu;

22 Nokuba ngu-Paulos, nokuba ngu-Apolo, nokuba ngu-Kefas, nokuba lihlabati, nokuba bubomi, nokuba kukufa, nokuba zizinto ezingeneyo, nokuba zezizayo: zonke zezenu.

23 Nina-ke ningabaka-Kristu, u-Kristu-ke ngoka-Tixo.

4 Makenje njalo-ke umntu ukucinga ngati, ati sizizicaka zika-Kristu, ati singamagosa emfihlelo zika-Tixo.

2 Kekaloku-ke kufuneka kuwo amagosa, ukuba ulowo kuwo afumaneke etêmbêkile.

3 Kum-ke yiyona nto incinanana, ukuba ndincinwe nini, nayimini *yamatyala* yabantu; ke andizincini nam ngokwam;

4 Kuba andizazeleli nto, noko andigwetyelwe koko; ondincinayo-ke yi-Nkosi.

5 Ngoko-ke, musan'ukugweba nto pâmbi kwelona xesha, ide ifike i-Nkosi eya kuti izikânyise nokuzikânyisa izinto ezifilakeleyo zobumnyama, iwabonakalalise amacebo entliziyo; andule-ke ulowo nalodo abe nodumo oluvela ku-Tixo.

6 Ezizinto-ke, bazalwana, ndizilinganisele ngam no-Apolo, ngenxa yenu, ukuze nifunde kuti aba, ukuba ningazicingeli ngapêzu koko kubâliweyo, ukuze kungabikô namnye uzikûkûmalisa ngakomnye ngenxa yomnye.

7 Kuba ngubanina okubalulayo kwabanye? yinto-nina-ke onayo ongayamkeliswanga? Pôfu-ke ukuba wamkelisiwe, uqâyisela-nina, ngati akwamkeliswanga?

8 Senihluti, senizityebi, nalaula ninge nati; akwaba-ke kambê beningabalauli, ukuze nati silaule kunye nani.

9 Kuba ngati mna, u-Tixo tina ba-postile usivelise mva, sanga singabamiselwe ukufa; kuba sanekwe senziwa intlekisa kulo ihlabati, nakwizitûnywa zezulu, nakubantu.

10 Tina siziyatâ ngenxa ka-Kristu, ke nina nizingqondi ku-Kristu; tina siswel'amandla, ke nina nomelele; nina nizukile, ke tina siswele imbêko.

11 Kude kwalelilixa langoku silambâ, sinxanwa, sihambâ zé, sintlitwa, singe nasikûndla,

12 Sibulaleka, sisebenza ngezetû izandla; siti sitshabiswa, sibe sisikelela; siti sitshutshiswa, sibe sinyamezela;

13 Siti sinyeliswa, sibe siyala; sixeliswa

Digitized by Google

inkunkuma yehlabatí, inkutů yento zonke kude kube ngoku.

14 Ezonto andizibâleli· ukuba nidane; ndiyaniluleka njengabantwana bam abatândekayo.
15 Kuba ningafanelana ninabakâpi bemawaka alishumi ku-Kristu, ababaninzi bona oyihlo; kuba ku-Kristu Yesu nizelwe ndim lo ngazo indaba ezilungileyo.

16 Ndiyaniyala ngoko, yibani ngabaxelisa mna.
17 Ngenxa yoko ndinitůmele u-Timoti, ongumntwana wam oyintăndă, otêmbêkileyo wase-Nkosini, oya kunikůmbůza indlela zam eziku-Kristu, njengoko ndifundisayo endaweni zonke kuwo onke amabandla.
18 Kekaloku inxenye itê yakůkůmala ngatí andiyi kuza kuni.
19 Ndiya kuza-ke kuni kamsinya, ukuba i-Nkosi itê yavuma, ukuze ndinganeli kwazi ukutêtâ kwabakůkůmeleyo, ndazi amandla *abo*.
20 Kuba ubukumkani buka-Tixo abusekutêtêni, busemandleni.
21 Nitânda kupîna? kukô ukuza kuni ndinoswazi, kukô ukuza ndinotândo nomoya wobulali?

5 Kwandile ukuvakala ukuba kukô umbulo pâkatí kwenu, ngumbulo kelowo ongazanga ukânkanywe napâkatí kwen-Tlanga, owokuba utîle abe nomfazi kayise.
2 Nibe-ke nikůkůmele, ningabi kanye nikédamile, ukuze anyotůlwe pâkatí kwenu lowo wenze lontlondi.
3 Kuba mna, ndingekô-nje okunene ngesiqů, ndikô ngomoya, sendide ndamgweba oyenzileyo lonto, njengokungatí ndikô.
4 Ndatí ngegama le-Nkosi yetů u-Yesu Kristu, (nakubon' ukuba nihlanganisene nomoya wam kunye nawo amandla e-Nkosi yetů u-Yesu Kristu,)
5 Makanikelwe onjalo ku-Satana, ukuba inyama itshatyalaliswe, ukuze wona umoya usindiswe ngomhla we-Nkosi u-Yesu.
6 Iqâyiya lenu alilihle! Anazi-na ukuba igwele elincinane libilisa intlama ipêla?
7 Likůpeni ngoko kuti-tu igwele elidala, ukuze nibe yintlama entsha, ekubeni ningabange nagwele. Kuba natí siyibingelelwe neyetů i-pasika engu-Kristu.
8 Ngoko-ke ukwenza umtêndeleko, masingawenzi sinegwele elidala, negwele lobubi nelokungendawo, *masiwenze* sinezonka ezinge nagwele, ezinge nasibîdi, ezinenyaniso.

9 Ndanibâlela encwadini apô ukutí, maningazidibanisi nabenza umbulo;
10 Kodwa ningasenizahlula kanye kwabelihlabatí abenza umbulo, nakumabawa, nabapângi, nabakônzi bezitîxo; okanye beniya kumelwa kupůma ehlabatîni.
11 Kungoku-ke, ndinibâlela, ukuba maningazidibanisi nosukuba enegama lokuba ngumzalwana ukanti wenza umbulo, nokuba ulibawa, nokuba ungumkônzi wezitîxo, nokuba ungumtshabîsi, nokuba ulinxila, nokuba ungumpângi; ningaké nidle nokudla nonjalo.
12 Ndinamsebenzi mnina ukuba ndigwebe nabangapândle? Anigwebi abangapâkatí bodwa yini nina?
13 Ke abangapândle bagwetywa ngu-Tixo. Ize nimnyotůle kuni nina lowo ungendawo.

6 Kukô-na umntu kuni, enendawo ngakomnye, onobuganga bokummangalela pâmbí kwabange malungisa, angammangaleli pâmbí kwabangewele?
2 Anazi-na, ukuba abangewele-aba bayakuligweba ihlabatí? ukuba-ke ihlabatí ligwetywa pâmbí kwenu, anikufanele-na ukuwatêtâ awona mancinanana amatyala?
3 Anazi-na, ukuba siya kugweba izinînywa zezulu? Hina-ke izinto zobubomi?
4 Xa sukuba kengoko nisiya ematyaleni ngezinto zobubomi, abo bange nto kule ibandla nimisa bona-na?
5 Nditsho ukuze nidane. Kude akwabikô noko sisinye-na isilumko pâkatí kwenu, esingaba nakô ukulamla pâkatí kwabo abazalwana?
6 Usuka umzalwana amangalelane nomzalwana, atí noko akwenze pâmbí kwabangakôliweyo.
7 Senincipîle-kê kanye ngokokutí nimangalelane. Yinina ukuba ningatí kanye nivume ukoniwa? yinina ukuba ningatí kanye nivume ukulunyukiswa?
8 Nisuke nina none abanye, nilumkise, nako oko nibe nikwenza kubazalwana.
9 Anazi-na, ukuba abange malungisa a-

Digitized by Google

bayi kubudla ilifa ubukumkani buka-Tixo? Musan' ukulahlekiswa; abenza umbulo, nabakônzi bezitixo, nabarexezi, nezifebe, namadoda alalanayo,

10 Namasela, namabawa, namanxila, nabatshabisi, nabapângi, abayi kubudla ilifa ubukumkani buka-Tixo.

11 Naye ninjalo-ke inxenye yenu; kuloko nahlanjululwayo, kuloko nangcwaliswayo, kuloko nagwetyelwayo ngegama le-Nkosi u-Yesu nango-Moya ka-Tixo wetu.

12 Zonke izinto zivumelekile kum, noko azindilungele zonke. Zonke izinto zivumelekile kum, noko asindim oya kubekwa pantsi kwagunya lelayipi.

13 Izidlo zezesisu, nesisu sesezidlo; kodwa u-Tixo uya kubangisa kokubini, sona nazo. Ke wona umzimba asingowombulo, ngowe-Nkosi; nayo i-Nkosi yeyomzimba.

14 U-Tixo-ke wayivusa i-Nkosi leyo, uya kusivusa nati ngamandla ake.

15 Anazi-na, ukuba imizimba yenu ngamalungu ka-Kristu? Ndiya kuti-na-ke, ndiwatabate amalungu ka-Kristu lowo, ndiwenze amalungu ehenyukazi? Nakanye!

16 Anazi-na, ukuba onamatele kulo ihenyukazi umzimba mnye *nalo?* Kuba kutiwa: Abo babini boba nyama nye.

17 Ke onamatele e-Nkosini umoya mnye *naye.*

18 Wubalekeni umbulo. Zonke izono, ate umntu wazenza, zingapandle komzimba; ke lowo wenza umbulo wona owake umzimba.

19 Anazi-na, ukuba umzimba wenu uyitempile yo-Moya Oyingcwele ongapakati kwenu, eninaye evela ku-Tixo, nokuba-ke aningabenu?

20 Kuba natengwa ngexabiso. Mzukiseni-ke u-Tixo ngomzimba wenu nangomoya wenu, izinto ezizezika-Tixo ezo.

7 Kekaloku, ngokubekisele kwindawo enandibalela ngazo, nditi, Kumlungele umntu ukuba angamcukumisi umntu oyinkazana.

2 Kodwa-ke, ngenxa yomibulo, elowo makabe nowake umfazi, ati elowo abe neyake indoda.

3 Indoda mayimenzele okumfaneleyo umfazi *wayo;* enje njalo-ke nomfazi endodeni *yake.*

4 Umfazi akanagunya kowake umzimba, yindoda enalo; kwa ngokunjalo-ke nendoda ayinagunya kowayo umzimba, ngumfazi onalo.

5 Musan' ukwal' ukuhlangana, ningatanga nibe nivumelene okomzuzwana, ukuze-ke nibe netuba lokuzila ukudla nelokutandaza, nibuye nihlangane ndawonye, ukuze anganihendi u-Satana ngenxa yentswela kuzeyisa kwenu.

6 Ndisitsho-nje ndiyabonisa, anditumi mntu.

7 Kuba ndinga bonke abantu bangaba njengam-nje; kodwa-ke elowo unesake isipo asibabalwe ngu-Tixo, omnye *uba naso* ngokunje, omnye *abe naso* ngokunjeya.

8 Nditi-ke kwabangazekanga nabangendanga nakubahlolokazi, Kubalungele ukuba bate bahlala njengam-nje.

9 Kodwa-ke ukuba abanakuzeyisa, mabazeke, mabende, kuba kukona kulungileyo ukuba kuzekwe, kwendiwe kunokutshiseka.

10 Kekaloku abazekileyo nabendileyo ndiyabatetela, pofu inge ndim, iyi-Nkosi, nditi, umfazi makangahlukani nendoda;

11 (Ke ukuba ute wahlukana *nayo* makahlale angendi, okanye makaxolelaniswe nendoda yake;) indoda mayingamali umfazi wayo.

12 Kekaloku kwabanye nditi mna, akutsho i-Nkosi, Ukuba kuko mzalwana utile unomfazi ongakoliweyo, aze umfazi lowo atande ukuhlala naye, makangamali.

13 Nomfazi onendoda engakoliweyo, ize yona itande ukuhlala naye, makangayali.

14 Kuba indoda-leyo ingakoliweyo ingcwalisiwe nguye umfazi, nomfazi-lowo ungakoliweyo ungcwalisiwe yiyo indoda; okanye abantwana benu ngebeba bazinqambi; kungoku-ke bangcwele.

15 Kodwa-ke ukuba lowo ungakoliweyo uyahluka, makahluke; umzalwana nokuba ngudade akabotshelelwe xa kunjalo; ke u-Tixo usibizele eluxolweni.

16 Kuba wazi nganina, mfazi, ukuba woyisindisa indoda *yako?* wazi nganina, ndoda, ukuba womsindisa umfazi *wako?*

17 Ke njengoko u-Tixo wamabelayo ulowo, njengoko i-Nkosi imbizileyo ulowo,

Digitized by Google

makahambê ngokunjalo. Ndimisa ngokunjalo-ke kuwo onke amabandla.

18 Kukô mntu wabizwa engowalukileyo-na? makangazenzi ongalukileyo. Kukô mntu wabizwa engalukanga-na? makangaluki.

19 Ukwaluka-oku akunto, nokungalukioku akunto, okuyinto kukubambâ imitêtô ka-Tîxo.

20 Elowo makahlale ekubizweni abizwe ekuko.

21 Wabizwa ulikôboka-na? ungakâtâli koko; nokuba-ke unokukûluleka, nyula kanye oko.

22 Kuba lowo wabizwayo wase-Nkosini elikôboka, ungumkûlulwa we-Nkosi; ngokunjalo nalowo wabizwayo engokûlulekileyo, ulikôboka lika-Kristu.

23 Natêngwa ngexabiso; musan' ukuba ngamakôboka abantu.

24 Bazalwana, elowo ekubizweni awabizwa ekuko, makahlale kuko eku-Tîxo.

25 Kekaloku, ngazo intombî andinammiselo we-Nkosi; ndibona oku mna, ngokowenzelwe inceba yi-Nkosi ukuba atêmbekê.

26 Ndiba ngoko, kulungîle oku ngenxa yengxakeko engeneyo, kulungile emntwini ukutî aselehlala njengoko anjalo.

27 Ubotshelelwe-na emfazini? musa ukufuna ukukûlulwa kuye. Ukûlulekilena emfazini; musa ukufuna umfazi.

28 Kodwa-ke ukuba utê wazeka, akonanga; nokuba intombî itê yenda, ayonanga. Ke abanjalo boba nembândezelo enyamemi. Ke mna *ngokwenje-nje* ndiconga nina.

29 Nditsho-ke, bazalwana, ukutî, ixesha lifinyele, ukuze kwelisaseleyo batî nabo banabafazi babe njengabange nabo;

30 Batî abalilayo babe njengabangalililiyo; batî abavuyayo babe njengabangavuyiyo; batî abatêngayo babe njengabange nanto:

31 Batî abasebenzayo ngelihlabatî babe njengabangalixâmliyo; kuba ukumila kwelihlabatî kuyadlula.

32 Nditânda ukuba ningabi naxâla. Ongazekileyo uxâlela izinto ze-Nkosi, ukuba angatî-nina ukuyikôlisa i-Nkosi.

33 Ozekileyo-ke uxâlela izinto zehlabatî, ukuba angatî-nina ukumkôlisa umkakê.

34 Umfazi nentombî akufani. Ongendileyo uxâlela izinto ze-Nkosi, ukuze abe ngcwele ngomzimbâ nangomoya; owendileyo-ke uxâlela izinto zehlabatî, ukuba angatî-nina ukuyikôlisa indoda yakê.

35 Oku-ke ndikutêtâ ndisingisele kokunilungeleyo, ndingenzeli kunifintyela; ndikutêtêla ukuba nizibeke, nihlalê nihleli kakuhle e-Nkosini, ningarutaruteki.

36 Kodwa-ke ukuba umntu uba uhlaza intombî yakê, xa itê yegqita entlahleni yayo, emelwe kukwenje njalo: makenze akutândayo, akôni; makuzekwe.

37 Noko-ke omiyo eqinile entliziyweni. engaxakwe nto, enegunya-ke lokwenza ngokutânda kwakê, kananjalo egqibile entliziyweni yakê kwelokuba ayigcine intombî yakê, uyatyapa ukwenje njalo.

38 Ngoko-ke lowo wendisayo uyatyapa, kodwa-ke lowo ungendisiyo nguyena ukôlisayo.

39 Umfazi ubotshiwe ngumtêtô ngalo lonke ixesha esapîlileyo indoda yakê; ke ukuba indoda yakê itê yafa, ukûlulekile, angendiselwa kwayitândayo, kodwa-ke ngokwase-Nkosini.

40 Noko-ke unoyolo ngakumbî, ukuba utê wahlala enjengoko anjalo ngokwam mna ukubona; ndiba-ke ndinaye nam u-Moya ka-Tîxo.

8 Kekaloku, ng*endawo* zamadini enziwa kwizitîxo, nditî, Siyazi ukuba sinokwazi sonke. Ukwazi oku kuyakûkûmalisa, ke lona utândo luyakâ.

2 Ukuba-ke umntu uba wazi nto, akakazi nento ngoko amelwe kukwazi ngako.

3 Ukuba-ke umntu uyamtânda u-Tîxo, lowo uyaziwa nguye.

4 Ngako-ke ukudliwa kwamadini enziwa kwizitîxo, siyazi ukuba akukô nto isisitîxo ehlabatîni, siyazi ukuba mnye kwapêla u-Tîxo, akukô wumbî.

5 Kuba kambê, nokuba kukô ekutîwa bangotîxo, nokuba kusezulwini, nokuba kupêzu komhlaba, (kwa njengokuba kukô otîxo abaninzi nenkosi ezininzi),

6 Kutî tîna mnye u-Tîxo, u-Yise, ezipûma kuye into zonke, nati sikolo yena; inye i-Nkosi u-Yesu Kristu, ezingayo zonke izinto, natî singaye.

7 Ke ukwazi oko akubantwini bonke. Inxenye-ke itî isenesazela ngesitîxo unangoku, idle ngoko*udliwa* kwedini elenziwe kwisitîxo, size isazela sabo siswel'amandla-nje sidyobeke.

8 Ukudla akusitândisi kuye u-Tîxo; ku-

Digitized by Google

ba nokuba sitê sadla, asigqite nganto; nokuba asitânga sidle, asisilele nganto.

9 Lumkani-ke, hleze elogunya lenu libe sisiwiso kwabaswel'amandla.

10 Kuba xa atê ubani, wakubona wena ungonokwazi, uhleli esitêbeni e-tempileni yezitîxo, asisokutî-na isazela sakê, eswel' amandla-nje, somelezelwe ukudla amadini enzelwe izitîxo?

11 Aze ngokwazi kwakô oko atshabalale umzalwana oswel'amandla, awatî u-Kristu wamfela?

12 Nisenje njalo-nje-ke ukôna kubo abazalwana, nisidubule isazela sabo esiswel'amandla, nôna ku-Kristu.

13 Ngenxa yoko *nditî*, Ukuba ukudla kuyamkûbekisa umzalwana wam, andisokudla nyama napâkade, ukuze ndingamkûbekisi umzalwana wam.

9 Andingum-postile-na? Andingokûlulekileyo-na? Andimbonanga-na u-Yesu Kristu i-Nkosi yetu? Aninguwona nina umsebenzi wam e-Nkosini?

2 Ukuba andim-postile kwabanye, kuni nina ndinguye; kuba itywina lokuqinisa obam ubu-postile linini aba base-Nkosini.

3 Okwam ukuzipêndulela kwabandincinayo kuko oko.

4 Asinagunya-na lokudla nokusela?

5 Asinagunya-na lokuhambâhambâ nodade engumfazi, kwa njengabanye abapostile-aba, nabazalwana be-Nkosi, no-Kefas?

6 Sitî sedwa no-Barnabas-lo-na, abange nagunya lokuba bangasebenzi?

7 Ngubanina okê apûm' umkôsi ngeyakê indleko? ngubanina otyala isi-diliya, aze angadli siqâmo saso? kôna ngubanina owalûsa umhlambî, aze angawudli amasi omhlambî-lowo?

8 Ndizitêtâ ngokomntu yinina ezozinto? awutêtî kwa ezozinto nawo-na umtêtô?

9 Emtêtweni ka-Moses kubâliwe kwatîwa: Uz'ungayibopî umlomo inkomo ibûla. Zinkomo yinina into ayikâtâleleyo u-Tixo?

10 Kanene akatsho ngenxa yetû-na? kakade kwabâlwa ngenxa yetû; ngokuba lowo ulimayo ufanele ukulima etêmbîle, lowo ubûlayo ufanele ukubûla enetêmbâ lokuyaba lonto atêmbê yona.

11 Ukuba tîna sanihlwayelela izinto ezizezo-Moya, yinto enkulu-na, ukuba siya kuvuna izinto zenu ezizezenyama?

12 Ukuba abanye babelana ngokwenza ngeligunya kuni, asikukôna singenje njalo-na tîna? Asilisebenzisanga-ke elogunya, sisuka sitwale into zonke, ukuze singazibambêzeli ngani indaba ezilungileyo zika-Kristu.

13 Anazi-na ukuba abo bazisebenzayo izinto ezingcwele badla okwe-tempile, abo bahlala behleli esibingelelweni bahlulelana nesibingelelo-eso?

14 Ngokunjalo ne-Nkosi le yabamisela abazazisayo indaba ezilungileyo, ukuba bapîle ngendaba ezilungileyo ezi.

15 Ke mna andipâtânga nanye kwezozinto. Ezindawo andizibâleli ukuze kwenjiwe njalo kum; kuba bekungandilungelayo kanye ukuba ndife, kunokuba ubani alilambâtîse iqâyiya lam.

16 Kuba xa nditî ndizishumayele indaba ezilungileyo, andinaqâyiya; kuba ndimelwe *kukuzishumayela*. Yeha-ke mna, ukuba ndisuke ndingazishumayeli indaba ezilungileyo!

17 Kuba xa ndikwenzayo oko ndinokuzitândela, ndoba ndinomvuzo; ke xa ndikwenza ndinge nakuzitândela, ndoba ndingopâtîswe ubugosa-nje.

18 Uyinto-nina-ke ngoko umvuzo wam? Ukukutî, ndakuzishumayela indaba ezilungileyo, ndizenze zingabi nandleko indaba ezilungileyo zika-Kristu, ukuba ndingalisebenzisi igunya lam ezindabeni ezilungileyo ezi.

19 Kuba ndikûlulekile-nje kubo bonke, ndizikônzisile kubo bonke, ukuze ndibazuze abona baninzi.

20 Kuma-Yuda ndaba njengom-Yuda, ukuze ndiwazuze ama-Yuda; kwabo bapântsi komtêtô ndaba njengopântsi komtêtô, ukuze ndibazuze abapântsi komtêtô;

21 Kwabo bange namtêtô *ndaba* njengonge namtêtô, (ndinge nguye pôfu onge namtêtô ku-Tîxo, ndingosemtêtweni ku-Kristu,) ukuze ndibazuze abange namtêtô;

22 Kwabo bange namandla ndaba njengonge namandla, ukuze ndibazuze abange namandla; kubo bonke ndesuka ndaba zinto zonke, ukuze ngendlela zonke ndisindise inxenye.

23 Oko-ke ndakwenza ngenxa yendaba ezilungileyo, ukuze ndibe lidlelane nabo ngazo.

24 Anazi-na, ukuba abo babalekayo e-

Digitized by Google

lugqatsweni, babaleka bonke okunene; kodwa-ke mnye owamkelayo umvuzo? Balekani ngokunjalo-ke ukuze nizuze.

25 Bonke-ke *abantu* abazamayo baba zincâtu ezintweni zonke. Bon'abo-ke okunene benzela ukuze bazuze isitsaba esinokonakala; kodwa tina esinge nakonakala.

26 Mna kengoko ndenje njalo ukubaleka, ndingangi andiqondi; ndenje njalo ukugalela ngenqindi, ndingangi ndibetâ umoya;

27 Ndisuka ndiwuqôbe umzimbâ wam, ndiwuxinzelele pântsi; hleze nditi, ndakuba ndizivakalisile *indaba ezilungileyo* kwabanye, ndibe ngonge nakucikideka mna ngokwam.

10 Ke, anditândi ukuba ningazi, bazalwana, ukuba obawo babe pântsi kwalo ilifu bonke; balucanda ulwandle bonke;

2 Babâptizelwa bonke kuye u-Moses efini-elo naselwandle;

3 Badla bonke okokudla kunye kukokomoya;

4 Basela bonke, ololuselo lunye lulolomoya (kuba babesela kwiliwa elilelomoya elibe libalandela, i-Liwa-elo-ke lalinguye u-Kristu);

5 Kanti noko u-Tixo akakôliswanga ngabona baninzi; kuba batiwa-waca entlango apô.

6 Ezozinto-ke zabe ziyimizekelo kuti, ukuze singabi ngabakânuki bezinto ezimbi, njengokuba bakânukayo bon'abo.

7 Kanjalo musan' ukuba ngababusi bezitixo njengenxenye yabo, njengokuba kubâliwe *kwatiwa:* Abantu bahlala pântsi ukuba badle basele, baza besuka bema ukuba badlale.

8 Kanjalo masingenzi mbulo, njengokuba inxenye yabo yenza umbulo, kwawa ngamini nye amawaka amashumi mabini anamatâtû.

9 Kanjalo masingamhendi u-Kristu, njengokuba inxenye yabo yahendayo, yaza yatshabalala zinyoka.

10 Kanjalo musan' ukuroŕa, njengokuba inxenye yabo yaŕoŕayo, yaza yatshabalala ngumtshabalalisi.

11 Zonke-ke ezonto zabahlelayo bona beziyimifuziselo; zabâlelwa-ke ukululeka tin' aba bafikelweyo zizipêlo zawo amapâkade.

12 Ngoko-ke oba umi, makalumke angawi.

13 Anibanjwanga sihendo singe sesabantu. Utêmbêkile-ke u-Tixo, ongayi kuvumela ukuba nihendwe ngapêzu kweninakô; owoti kunye nesihendo-eso avelise itûba lokupûma kuso ukuba nibe nakô ukutwala.

14 Kungoko nditi, zintânda zam, kubalekeni ukubusa izitixo.

15 Nditêtâ njengakwingqondi; kucaluleni nina endikutêtâyo.

16 Indebe yentsikelelo le siyisikelelayo, asibudlelane-na begazi lika-Kristu? isonka esi sisiqêkezayo, asibudlelane-na bomzimbâ ka-Kristu?

17 Ngokuba tina sibaninzi-nje, sisonka sinye, simzimbâ mnye, kuba sonke sabelana ngesosonka sinye.

18 Kângelani abangama-Sirayeli ngokwenyama. Abô bawadlayo amadini, abadlelani nesibingelelo-eso yinina?

19 Nditi-nina-ke ngoko? nditi, isitixo siyinto-na? nditi, amadini enzelwa izitixo ayinto-na?

20 Anditsho! Nditi, Amadini eziwenzayo in-Tlanga, ziwenzela i-demon, aziwenzeli u-Tixo. Anditândi-ke ukuba nibe ngamadlelane ne-demon nina.

21 Aninakô ukusela indebe ye-Nkosi nendebe ye-demon; aninakô ukwabelana ngesitêbe se-Nkosi nesitêbe se-demon.

22 Siyayikweletisa-na i-Nkosi? sinamandla kunayo yinina?

23 Zonke izinto zivumelekile kum, noko azindilungele zonke; zonke izinto zivumelekile kum, noko azaki zonke.

24 Makungabikô namnye ufuna okuko kwakê *ukulungelwa;* elowo makafune nekomnye.

25 Yonke into etêngelwa endaweni yekutênga inyama, yidleni, ningapicoti ngenxa yesazela;

26 Kuba umhlaba-lo ngowe-Nkosi nezaliseko yawo.

27 Ukuba-ke ubani wakubo abangakolwayo uti animome, nitânde ukuya: yonke into ebekwa pâmbi kwenu, yidleni ningapicoti nto ngenxa yesazela.

28 Kodwa-ke ukuba ubani uti kuni. Lento ilidini elenzelwe izitixo; musan' ukudla ngenxa-ke yalowo utê-tûpa londawo

Digitized by Google

nangenxa yesazela; kuba umhlaba-lo ngowe-Nkosi nenzaliseko yawo:

29 Nditi, isazela-ke, singesiso esakô wena, sisesomnye lowo. Kuba yinina ukuba inkululeko yam igwetywe sesinye isazela?

30 Ke ukuba mna ndidla ndibulela, yinina ukuba ndinyeliswe ngenxa yoko ndikubulelayo mna?

31 Kengoko nokuba niyadla, nokuba niyasela, nokuba nenza yipîn' into, zenzeleni uzuko luka-Tixo nto zonke.

32 Yibani ngabangebawisi nakuma-Yuda, nakuma-Grike, nakulo ibandla lika-Tixo;

33 Njengokuba nam ndikôlisa bonke ezintweni zonke, ndingafuni okwam ukulungelwa, ndifuna okwabaninzi, ukuze basindiswe.

11 Yibani ngabaxelisa mna, njengokuba nam ndixelisa u-Kristu.

2 Kekaloku ndiyanidumisa, bazalwana, kuba nindikûmbûla ngendawo zonke, nizibambile izitêtê, njengoko ndanimikelayo.

3 Kodwa-ke nditânda ukuba nazi, ukuba intloko yomntu wonke oyindoda ngu-Kristu, intloko-ke yomfazi yindoda, intloko-ke ka-Kristu ngu-Tixo.

4 Umntu wonke oyindoda etândaza, mhlaumbî eprofeta, enento entloko, uyayihlaza intloko yakê.

5 Umntu wonke-ke ongumfazi etândaza, mhlaumbî eprofeta, enge nasigqubutêlo entloko, uyayihlaza eyakê intloko; kuba oko kunto nye nokuba ucêtyiwe.

6 Kuba umfazi, ukuba akagqubutêle, makaselenqutûlwa nokunqutûlwa. Ke ukuba kulihlazo kumfazi ukuba anqutûlwe, mhlaumbî acêtywe, makabe nesigqubutêlo.

7 Kuba indoda okunene ayifanele ukuba nesigqubutêlo entloko, ekubeni ingumfanekiso nozuko luka-Tixo; ke yena umfazi luzuko lwendoda;

8 Kuba indoda ayipûme emfazini, ngumfazi opûme endodeni;

9 Kuba indoda ayidalwanga ngenxa yomfazi, kwadalwa umfazi ngenxa yendoda.

10 Ngenxa yoko umfazi ufanele ukuba abe nomqondiso wegunya pêzu kwentloko ngenxa yezitûnywa zezulu.

11 Kodwa e-Nkosini apâ indoda ayingapândle komfazi, nomfazi akangapândle kwendoda;

12 Kuba njengokuba umfazi epûmê kwindoda: ngokunjalo nayo indoda ingaye umfazi; konke-ke oko kupûmê ku-Tixo.

13 Yahlulani nina ngapâkatî kwenu; kumfanele-na umfazi ukutândaza ku-Tixo, engagqubutêle?

14 Kananjalo imvelo ngokwayo ayinifundisi-na, ukuba indoda okunene etî ibe nenwele ezinde, kulihlazo oko kuyo?

15 Ke yena umfazi, ukuba utî abe nenwele ezinde, kuluzuko oko kuye; ngokuba wazinikwa inwele ezinde endaweni yesigqubutêlo.

16 Ke ukuba ubani ubonakala etânda ukupîka, tîna asinasiko linjalo, kwa nawo amabandla ka-Tixo.

17 Kekaloku, ndinitêtêla lendawo-nje, andinincomi, ukuba ukuhlangana kwenu ndawo-nye akusingisi kokôna kulungileyo, kusingisa kokôna kubi.

18 Kuba kuqala-ke, nakuhlangana ebandleni, ndiyeva ukuba kubakô izahlukahlukano pâkatî kwenu; nditî-ke fan' ukuba zikô.

19 Kuba kumele ukuba kubekô nezahlukano pâkatî kwenu, ukuze abacikidekileyo babonakale pâkatî kwenu.

20 Xenikweni ngoko nitê nahlangana ndawo-nye, asikuko ukuba nidle isidlo se-Nkosi;

21 Kuba ekudleni kwenu elowo udla okwakê ukutya, uqala adle bengekafiki abanye, aze omnye alambê, omnye anxile.

22 Kanene aninazindlu-na zokudlela nokusela? okanye nidela ibandla lika-Tixo-na, nibadanisa-nje abange nanto? Nditî-nina kuni? Ndinidumise-na kulento? Andinidumisi.

23 Kuba mna ndakwamkela kuyo i-Nkosi oko ndikunikeleyo nokukunikela kuni, okokuba i-Nkosi u-Yesu, ngobusuku evanikelwa ngabo, yatâbatâ isonka,

24 Yaza yakuba ibulele, yasiqêkeza, yatî, Tâbatâni, nidle, ngumzimbâ wam lo, owapûlelwa nina; oku kwenzeleni ukundikûmbûla.

25 Kwa ngokunjalo *yatâbatâ* nayo indebe, emva kokuba kudliwe, isitî, Lendebe ingumnqopîso omtsha osegazini lam; ngamaxesha onke enisukuba niyisela, oku kwenzeleni ukundikûmbûla.

26 Kuba ngamaxesha onke enisukuba

Digitized by Google

nisidla esosonka, niyisele londebe, niyakwazisa ukufa kwe-Nkosi, ide ifike.

27 Ngoko-ke osukuba esidla esosonka, ayisele indebe ye-Nkosi ngokungafanelekileyo, woba netyala lomzimbâ negazi le-Nkosi.

28 Makazicikide-ke ngokwakê umntu, aze ngokunjalo adle kwisonka-eso, asele kwindebe-leyo;

29 Kuba lowo udlayo uselayo ngokungafanelekileyo uzidlela aziselele ukugwetywa, engawucaluli-nje umzimbâ we-Nkosi.

30 Ngenxa yoku baninzi pâkatî kwenu abaswel'amandla nabayimilwelwe, banele nabalele ukufa.

31 Kuba xa besizicalula, ngesiba asigwetywa.

32 Sigwetywa-nje-ke, siyaqeqeshwa yi-Nkosi, ukuze singasingelwa pântsi ndawonye nehlabatî.

33 Ngoko-ke, bazalwana bam, xa nihlangene ndawonye ukuba nidle, lindanani.

34 Ukuba-ke ubani ulambile, makadle ekâya, ukuze ningahlanganeli ukugwetywa. Eziseleyo-ke indawo ndozilungisa, xa nditê ndafika.

12 Ke ngezipô ezizezo-Moya, bazalwana, anditândi ukuba ningazi.

2 Niyazi ukuba nibe ningaben-Tlanga, nikûkuliselwe ezitîxweni ezinge nakutêtâ, njengoko nisakutî nikôkelwe ngako.

3 Kungoko ndinazisayo, okokuba akukô namnye, etêtâ eku-Moya ka-Tixo anokutî ungosingelwe pântsi u-Yesu; kanjalo akukô namnye unakô ukutî uyi-Nkosi u-Yesu, enge kuye u-Moya Oyingcwele.

4 Kekaloku, kukô izabelo ngezabelo zezibabalo, kodwa-ke ikwangulo-Moya mnye.

5 Kukô nezabelo ngezabelo zezilungiselelo, pofu ikwayilo-Nkosi inye.

6 Kukô nezabelo ngezabelo zentsebenzo, kodwa-ke ikwangulo-Tixo mnye uzisebenzayo into zonke kubo bonke.

7 Elowo-ke upîwa ukubonakalalisa u-Moya, kuze kubekô okulungele *bonke:*

8 Kuba omnye okunene upîwa ngaye u-Moya ilizwi lobulumko; kodwa-ke omnye ilizwi lokwazi kwangokwalo-Moya;

9 Wumbî-ke upîwa ukôlo kwangalo-Moya; omnye-ke izibabalo zezipîliso kwangalo-Moya;

10 Omnye-ke *upîwa* intsebenzo zemisebenzi yamandla; omnye-ke izi-profeto; omnye-ke ukucalula omoya; wumbi-ke intlobo zelwimi; omnye-ke ukucaciswa kwelwimi.

11 Zonke-ke ezonto zisetyenzwa kwa ngalo-Moya mnye, umabela elowo ngokwakê njengoko utândayo.

12 Kuba kwa njengokuba umzimbâ umnye unamalungu amaninzi, abe-ke onke amalungu alomzimbâ mnye emaninzi-nje emzimbâ mnye, ukwanjalo-ke no-Kristulo.

13 Kuba sîna sonke sabâptizelwa mzimbêni mnye nga-Moya mnye, nokuba singama-Yuda, nokuba singama-Grike, nokuba singamakôboka, nokuba singabakûlulekileyo; sonke sasezwa Moyeni mnye.

14 Kuba nomzimbâ-lo unge lungu linye, ungamaninzi.

15 Ukuba lutê unyawo, Ngokuba ndinge siso isandla, andingowasemzimbêni, lutî ngenxa yoko, lungabi lolwasemzimbêni na?

16 Nokuba itê indlebe, Ngokuba ndinge lilo iliso, andingawasezimbêni, itî, ngenxa yoko, ingabi yeyasemzimbêni-na?

17 Ukuba umzimba-lo upêla ubulilise, bekuya kuba pîna ukuva? ukuba ubukuva upêla, bekuya kuba pîna ukusezela?

18 Kungoku-ke u-Tîxo wawamisa amalungu lalelo nelo emzimbêni, njengoko watândayo.

19 Ukuba-ke onke ebe lungu linye, u buya kuba pîna umzimbâ?

20 Kungoku-ke maninzi okunene amalungu, kodwa mnye wona umzimbâ.

21 Alinakô-ke iliso ukutî kwisandla, Akufuneki kum; kanjalo intloko ayinakutî kwinyawo, Anifuneki kum.

22 Asuka amalungu omzimbâ angas ngaswel' amandla kwamanye, abe ngawona afunekayo.

23 Namalungu omzimbâ esiba ngaswelimbêko kunamanye, lawo ngawona siwabeka embêkweni, aze amalungu etû ahlonipekayo abe ngawona abekekileyo.

24 Amalungu etû-ke abekekileyo akufuneki nto kuwo. Usuke u-Tîxo wawumanya umzimbâ, watî ilungu elingento walibeka kweyona mbêko inkûlu;

25 Ukuze kungabikô kwahlukahlukana emzimbêni, kubekô ukunyamekelana kwamalungu ngakunye;

Digitized by Google

26 Kuti nokuba lilungu elinye eliva ubunzima, avelane amalungu onke; nokuba lilungu elinye elizukiswayo, avuyisane amalungu onke.

27 Nina-ke ningumzimbâ ka-Kristu, ningamalungu ngokwabelwa izabelo.

28 Watî inxenye u-Tixo wayimisa ebandleni, kuqala yangaba-postile, okwesibini aba-profeti, okwesitâtû abafundisi; kwaza kwaba yimisebenzi yamandla, kwaba zibabalo zezipîliso, intsizo, izilaulo, intlobo zelwimi.

29 Bangaba-postile bonke yinina? Bangaba-profeti bonke yinina? Bangabafundisi bonke yinina? Bangabenzi bemisebenzi yamandla bonke yinina?

30 Banezibabalo zezipîliso bonke yinina? Batêtâ ngalwimi zimbî bonke yinina? Bacacis'intetô bonke yinina?

31 Zondelelani-ke ezona zibabalo zilungileyo; kanti-ke ndisanibonisa eyona ndlela incamisileyo.

13 Ndingafanelana nditêtâ ngelwimi zabantu nezezitûnywa zezulu, utândo-ke ndinge nalo; ndisuke ndaba yixina ehlokomayo necangcî elikêncezayo.

2 Ndingafanelana ndinabo nobu-profeto, ndizazi imfihlelo zonke, ndinako konke ukwazi; ndingafanelana ndinalo lonke ukôlo, ngokokude ndisus' intaba, utândoke ndinge nalo: andinto yanto.

3 Ndingafanelana ndisamkelisa *amahlwempu* ngempahla yam yonke, nokuba nditê umzimbâ wam ndawunikela ukuba utshiswe, utândo-ke ndinge nalo: akundincedi luto.

4 Utândo luzeka kade umsindo, lunobubele; utândo alunamona; utândo alugwagwisi; alukûkûmali;

5 Alwenzi okuzintloni; alufuni okukokwalo kodwa; alucapûki; alunanzondo;

6 Aluvuyeli kungalungisi; luvuyisana nenyaniso.

7 Lutwâla into zonke; lukôlwa zinto zonke; lutêmbâ into zonke; lunyamezela into zonke.

8 Utando aluze lutshitshe; nokuba-ke zi-profeto, ziya kubângiswa; nokuba zilwimi, ziya kupêza; nokuba kukwazi, kuya kupûtîswa.

9 Kuba sisazi ngokuyinxenye, siprofeta ngokuyinxenye.

10 Xa kutê-ke kwafika okuzalisekileyo, kuya kwandula ukupûtîswa okuyinxenye.

11 Oko bendingumntwana, benditêtâ ngokomntwana, bendiqonda ngokomntwana, bendicamanga ngokomntwana; nditê-ke ndakuba yindoda, ndazibângisa izito zobuntwana.

12 Kuba ngoku sikângela encwadini yokuzibona ngokwamanakanibe, oko-ke siya kukângelana ebusweni; ngoku ndazi ngokuyinxenye, oko-ke ndiya kwazi kakuhle njengoko ndaziwayo nokwaziwa nam.

13 Kungoku-ke kuhleli ukôlo, itêmbâ, utândo, ezonto zontâtû; eyona inkuluke kuzo apô lutândo.

14 Putûmani utândo-olo, nibe kodwa nizizondelela izipô ezizezo-Moya, ngokukodwa-ke ukuba niprofete.

2 Kuba lowo utêtâ ngalulwimi lumbî akatêtî bantwini, utêtâ ku-Tixo; kuba akukô namnye umvayo, kodwa-ke ngomoya utêtâ imfihlelo.

3 Ke yena oprofetayo utêtâ ebantwini ulwakêko noyalo nokûzo.

4 Lowo utêtâ ngalulwimi lumbî uzakâ yena; ke lowo uprofetayo wakâ ibandla.

5 Ndiyatânda-ke ukuba nitêtê ngalwimi zimbî nonke, noko-ke nditânda ngokukodwa ukuba niprofete. Kuba yena oprofetayo mkûlu kunalowo utêtâ ngalwimi zimbî, engayicacis'intêtô, ukuze ibandla libe nokwakêka.

6 Kunjalo-nje-ke, bazalwana, ukuba nditê ndeza kuni, nditêtâ ngalwimi zimbî, bendiya kuninceda nto-nina, xa ndingatânga nditêtê kuni ndinesityîlelo, ndinokwazi, ndinesi-profeto, ndinemfundiso?

7 Kôna kwizinto ezihlokomayo ezinge nampêfumlo, ezinjengembânde, nohadi, ukuba azitânga zahlule ukuhlokoma kwazo; bekungatîwa-nina ukwaziwa oko kubetwayo ngembânde noko kubetwayo ngohadi?

8 Kuba kanjalo, xa ixilongo litê lalila ngezwi elingaqondakaliyo, ngubanina owoyixôbela imfazwe?

9 Ngokunjalo nani, ukuba anitânga nitêtê ngalo ulwimi intêtô eqondeka kakuhle: yotîwa-nina ukwaziwa into enitêtâ yona? kuba noba nitêt' umoya.

10 Nokuba zingaba sezingakana-nina ukuba zininzi kwazo intlobo zentetô ehlabatîni, akukô nalunye-kuzo olunge nanto lutêtâ yona.

11 Ukuba ngoko anditânga ndiyazi i-

Digitized by Google

ntsingiselo yentetô, ndoba ngum-Barbari kotêtâyo, notêtâyo woba ngum-Barbari kum.

12 Ngokunjalo nani, ekubeni kaloku nizondelela izipô ezizezomoya, zifuneleni ukuba nibe nazo ngokugqitiseleyo, ukuze lakêke ibandla.

13 Ngenxa yoko *ndili*, otêtâyo ngalwimi zimbî, makatândazele ukuba icace *intetô yakê*.

14 Kuba xa nditândaza ngalulwimi lumbî, umoya wam uyatândaza okunene wona, ke yona ingqiqo yam ayinasiqâmo.

15 Kutî-nina-ke ngoko? ndiya kutândaza ngomoya, nditândaze nangengqiqo; ndiya kuvuma ngomoya, ndivume nangengqiqo.

16 Okanye, ukuba utê wasikelela ngomoya *wodwa*, wotî-nina lowo uhleliyo endaweni yonge nakwazi ukutî, Amen, ekubuleleni kwakô, ekubeni kaloku into oyitêtâyo engayazi?

17 Kuba okunene wena uyatyapa ukubulela, kodwa onguwumbî akakêki.

18 Ndiyabulela ku-Tixo wam, kuba nditêtâ ngalwimi zimbî ngapêzu kwenu nonke;

19 Kodwa-ke ebandleni nditânda ukutêtâ amazwi abe mahlanu ngayo ingqiqo yam, ukuze ndibafundise nabanye, kunokuba nditêtê amazwi angamawaka alishumi ngalulwimi lumbî.

20 Bazalwana, musan' ukuba ngabantwana engqondweni; obubini yibani zintsana, engqondweni-ke yibani ngabantu abakûlu.

21 Emtêtweni kubâliwe *kwatîwa:* Ndiya kutêtâ kwababantu ngalwimi zimbî nangamlomo wumbî; noko ndiva kwenje njalo, abayi kundiva, utsho i-Nkosi.

22 Ngoko-ke ilwimi-ezi zikô ukuba zibe ngumqondiso kwabo bangakôlwayo, kunge kubo abakôlwayo: ke sona isi-profeto asisesabangakôlwayo, sesabakôlwayo.

23 Ukuba ngoko litê lahlangana ndawonye ibandla lipêla, batêtâ bonke ngalwimi zimbî, kwaza kwangena abange nakwazi nokuba ngabangakôlwayo, abasokutî-na niyageza?

24 Ke ukuba batî bonke baprofete, kuzeke kungene umntu ongakôlwayo, nokuba ngonge nakwazi, uyohlwaywa ngabo bonke adane, uyapîcotwa ngabo bonke;

25 Zize ngokunjalo izinto ezifihlakeleyo zentliziyo yakê zibonakalaliswe; wotî ngokunjalo, esiwa ngobuso, aqubude ku-Tixo, exela ukuba u-Tixo upâkatî kwenu okwenyaniso.

26 Kutî-nina-ke ngoko, bazalwana? Xa sukuba nihlangene, utî elowo kuni abe nengoma, abe nemfundiso, abe nalulwimi lumbî, abe nesityilelo, abe nokucâz'intetô. Mazitî zonke izinto zenzelwe ukuba lakêke *ibandla*.

27 Kanjalo ukuba umntu utêtâ ngalulwimi lumbî, makutêtê babini, mhlaumbî batâtû bangegqiti, kube ngokulandelelana. aze omnye acacis'intetô.

28 Ke xa kungekô mcâz'intetô, makatîcwaka ebandleni; makatêtê kuye ngokwakê naku-Tixo.

29 Aba-profeti-ke, makutêtê babini mhlaumbî batâtû, abanye bacalule.

30 Ukuba-ke kutê watyilelwa into omnye ehleli kôna, owokuqala makatî-cwaka.

31 Kuba ninakô ukuprofeta ngabanye nonke, ukuze bafunde bonke, bavuselelwe bonke.

32 Kanjalo omoya baba-profeti bayabalulamela aba-profeti;

33 Kuba u-Tixo akangowesipîtîpîtî, ngowoxolo; njengokuba kunjalo kuwo onke amabandla abangcwele.

34 Abafazi benu mabatî-tu emabandleni; kuba abavunyelwe bona ukuba batêtê. *kutîwa:* Mabalulame, njengokuba usitsho nomtêtô.

35 Ukuba-ke banga bangaqonda into, mabayibuze ekâya kwawabo amadoda; kuba lihlazo kubafazi ukutêtâ ebandleni.

36 Kanene ilizwi lika-Tixo lapûma livela kuni-na? lafika kuni nedwa, kusinina?

37 Ukuba umntu uba ungum-profeti, nokuba uba ungowo-Moya, makazazi kakuhle izinto endinibâlela zona ukuba yimitêtô ye-Nkosi.

38 Ke ukuba umntu akazi, makangazi.

39 Ngoko-ke, bazalwana, kuzondelelani ukuprofeta, ningakwalelî ukutêtâ ngalwimi zimbî.

40 Zonke izinto mazenziwe ngokubekekileyo nangolungelelwano.

Digitized by Google

15 Kekaloku bazalwana, ndiyanazisa indaba ezilungileyo, ezo ndazishumayela kuni, nazamkelayo nokuzamkela, nimiyo nokuma kuzo,

2 Nisindiswayo nokusindiswa ngazo, ukuba nizibambile ngelizwi endazishumayela ngalo kuni; ukuba anitê nafumana nakôlwa.

3 Kuba ndaninikela kweziyintloko izinto oko ndakwamkelayo nokukwamkela, okokuba u-Kristu wazifela izono zetû ngokwezibâlo,

4 Nokokuba wancwatywa, nokokuba uvukile ngomhla wesitâtû ngokwezibâlo;

5 Nokokuba wabonwa ngu-Kefas, emva koko ngabalishumi elinababini.

6 Emveni koko wabonwa ngaxesha linye ngabazalwana abangapêzu kwamakûlu amahlanu, abasahleliyo nangoku abona baninzi kubo, inxenye-ke yalala ukufa.

7 Emva koko wabonwa ngu-Yakobi, kamva ngabo bonke aba-postile.

8 Ekugqibeleni-ke kwabo bonke, kwanga kukwinto ezelwe lingekabi lixa layo, wabonwa nandim.

9 Kuba mna ndingoyena mncinanana kuba-postile, endingafanele kubizwa ngokuba ngum-postile, ngenx' enokuba ndalitshutshisa ibandla lika-Tixo.

10 Ke ngobabalo luka-Tixo ndiyinto endiyiyo, nobabalo lwakê kum alubanga nakulambâtâ, ndesuka ndabagqita bonke ngokubulaleka, ingendim-ke, ilubabalo luka-Tixo olunam.

11 Kengoko, nokuba ndim, nokuba ngabo, senje njalo tina ukushumayela, nenje njalo-ke nina ukukôlwa.

12 Ke, ukuba u-Kristu uyashunyayelwa ukuba uvukile kwabafileyo; batsho nganina abatile pâkatî kwenu ukuti, akukô luvuko lwabafileyo?

13 Ke, ukuba akukô luvuko lwabafileyo, woba akavukanga no-Kristu;

14 Ukuba-ke u-Kristu akavukanga, koba akunto ukushumayela kwetu, koba luyalambâtâ nokôlo lwenu.

15 Sifunyanwe-ke singawo namanqina amxokayo u-Tixo; ngokuba sanqinayo ngo-Tixo ukuba wamvusa u-Kristu, angamvusanga, ukuba-ke kanti abafileyo abavuki.

16 Kuba abafileyo ukuba abavuki, no-Kristu woba akavukanga.

17 Ukuba-ke u-Kristu akavukanga, loba luyinto enge yanto ukôlo lwenu, noba nisesezonweni zenu;

18 Ngoko nabalele ukufa beku-Kristu boba batshabalele.

19 Ukuba singabatêmbêle ku-Kristu kobubomi bodwa, soba sizizona ntsizana kubantu bonke.

20 U-Kristu yena kunje uvukile kwabafileyo, waba yintlahlela yabalele ukufa.

21 Kuba ekubeni kaloku kungomntu ukufa, kukwangomntu ukuvuka kwabafileyo.

22 Kuba njengokuba kuye u-Adam bafa bonke: ngokunjalo nakuye u-Kristu baya kudliswa ubomi bonke.

23 Elowo-ke kolwakê uluhlu; intlahlela ingu-Kristu, kamva abaka-Kristu ekufikeni kwakê;

24 Kwandule-ke ukubakô isipêlo, xa atê wabunikela ubukumkani kuye u-Tixo u-Yise, xa atê wabubângisa bonke ubulauli nalo lonke igunya namandla;

25 Kuba umelwe yena kukuti alaule, ade azibeke pântsi kwenyawo zakê zonke intshaba.

26 Olokugqibela utshaba oluya kubângiswa kukufa;

27 Kuba izinto zonke wazitôbela pântsi kwenyawo zakê. Ke xa aya kuba etê, Izinto zonke zitôtyiwe, kuyabonakala ukuba akabalwa lowo wazitôbela pântsi kwakê zonke izinto.

28 Xa-ke zitê zatôtyelwa pântsi kwakê zonke izinto, uya kwandula no-Nyana ngokwakê atôtyelwe pântsi kowazitôbela pântsi kwakê zonke izinto, ukuze u-Tixo abe zizinto zonke kubo bonke.

29 Okanye baya kwenza nto-nina abo babâptizelwa abafileyo, ukuba abafileyo abaze bavuke? yinina ukuba babâptizelwe nokubâptizelwa abafileyo?

30 Natî yinina ukuba sibe semngcipekweni amaxa onke?

31 Ndisekufeni imihla ngemihla; qondani ngokuzingca kwam ngani endinako, nditu-Kristu Yesu, i-Nkosi yetû.

32 Ukuba nditê ngokwabantu ndalwa namafamnewa e-Efeso, kundinceda nto-nina? Ukuba abafileyo abavuki, masesisidla, sisela, kuba ngomso siya kufa.

33 Musan' ukulahlekiswa. Incoko embî yonakalisa izimiło ezilungileyo.

34 Qabukani kakuhle, ningoni; kuba i-

Digitized by Google

nxenye inentswela kumazi u-Tîxo; nditsho kuni ukuba nidane.

35 Wosuka ubani atî, Batî-nina ukuvuka abafileyo? beza benamzimbâ unjanina?

36 Sisweli-kuqonda, wena, into oyihlwayelayo ayenziwa ipîle, ukuba ayikânga ife;

37 Kanjalo lonto uyihlwayelayo akuhlwayeli sona isiqu sento esiya kubakô, uhlwayela ukôzo-nje, lungatî lube lolwenqôlowa, nokuba lolwezinye intlobo;

38 U-Tîxo-ke ulunika isiqu njengoko atândileyo; iyileyo imbêwu uyinika eyaso isiqu.

39 Yonke inyama ayinyama nye; enye yinyama yabantu, enye yinyama yenkomo, enye yeyentlanzi, enye yeyentaka.

40 Kuko iziqu ezisezulwini, neziqu ezisemhlabeni; bubodwa ubuqaqauli bezasezulwini, bubodwa obezasemhlabeni.

41 Bubodwa ubuqaqauli belanga, bubodwa ubuqaqauli benyanga, bubodwa ubuqaqauli benkwenkwezi; kuba inkwenkwezi iyahluka kwenye inkwenkwezi ngobuqaqauli.

42 Lunjalo-ke kanye novuko lwabafileyo. *Umzimbâ* uhlwayelwa unokonakala, uvuka unge nakonakala.

43 Uhlwayelwa uswele imbêko, uvuka unobuqaqauli; uhlwayelwa uswel' amandla, uvuka unamandla;

44 Kuhlwayelwa umzimbâ ongowemvelo, kuvuka umzimbâ ongowomoya. Kukô umzimba ongowemvelo, kukô nomzimba ongowomoya.

45 Ngokunjalo kubâliwe *kwatîwa:* Owokuqala umntu u-Adam waba ngumpêfumlo odla ubomi; owokugqibela u-Adam waba ngumoya odlisa ubomi.

46 Ke akuqali okomoya, kuqala okwemvelo; kwandule ukuza okomoya.

47 Owokuqala umntu upûme emhlabeni, ungowomhlaba; owesibini umntu, i-Nkosi, upûme ezulwini.

48 Into ayiyo owomhlaba, bakwayiyo abomhlaba; kanjalo nento ayiyo osezulwini, bakwayiyo abasezulwini;

49 Njengokuba sawambâtâyo umfanekiso wowomhlaba, siya kuwambâtâ nomfanekiso wosezulwini.

50 Ke, bazalwana, nditsho ukutî, inyama negazi azinakô ukubudla ilifa ubukumkani buka-Tîxo; nokonakala akunakukudla ilifa ukungonakali.

51 Yabonani, ndinixelela imfihlelo, Okunene asiyi kulala ukufa sonke; kodwa siya kwenziwa ngakumbî sonke,

52 Ngesiqupê, ngepânyazo, ngexilongo lokugqibela. Kuba liya kulila ixilongo, bavuke abafileyo benge nakonakala, senziwe ngakumbî-ke tîna.

53 Kuba kumele oku konakalayo ukwambâtâ ukungonakali, noku kufayo ukwambâtâ ukungafi.

54 Xa-ke oku konakalayo kutê kwambâtâ ukungonakali, noku kufayo kutê kwambâtâ ukungafi, liya kwandula ukwenzeka ilizwi elibâliweyo lokutî: Ukufa kufuncelwe eloyisweni.

55 Lupîna, kufa, ulwavila lwakô? Lupîna, hadesi,' uloyiso lwakô?

56 Ulwavila lokufa sisono; amandla esono ngumtêtô.

57 Makubulelwe-ke ku-Tîxo osinikayo uloyiso-olo ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

58 Ngoko-ke, bazalwana bam abazintânda, qinani, ningabi nakushukuma, nihlale nipûpûma umsebenzi we-Nkosi, nisazinje ukuba ukubulaleka kwenu akulambâtî e-Nkosini.

16 Kekaloku ngako ukubutêla *ukusiza* abangcwele, njengokuba ndawamiselayo amabandla *ka-Tîxo* akwelase-Galati, yenzani ngokunjalo nani.

2 Ngolokuqala usuku iveki nge-veki elowo kuni makabeke ekâya eqweba into asukuba esikelelwe ngayo; ukuze kungati, ndakuba ndifikile, kwandule ukubutwa *imali.*

3 Ke ndakuba ndifikile enisukuba nibacikidile, nakôlwa ngabo, ndobatûma bona benencwadi, base isipô senu-esi e-Yerusalem.

4 Ke ukuba kutê kwabonakala ukuba nam ndiye, bohambâ kunye nam.

5 Ndiya kuza-ke kuni, xa nditê ndacanda kwelase-Makedoni, kuba ndakwanela ukucanda-nje kwelase-Makedoni.

6 Ke, kuni mhlaumbî ndingatî ndihlale ndidlulise nobusika, ukuze nina nindipêlekelele apô ndisukuba ndisiya kôna.

7 Kuba anditândi ukuba ndinibone ngoku ndidlulayo; kodwa nditêmbâ ukuba

[1] Intlalo yabafileyo.

Digitized by Google

ndokâ ndihlale kuni ixesha elitîle, ukuba i-Nkosi itê yavuma.
8 Ndiya kuhlala-ke e-Efeso kude kubekô i-Pentekoste;
9 Kuba ndivulelwe umnyango omkûlu onamandla, bebaninzi nabacâsi.

10 Kekaloku, ukuba u-Timoti utê wafika, ize nikângele ukuba angabi nakoyika pâkatî kwenu; kuba uyawusebenza umsebenzi we-Nkosi kwa njengam.
11 Ize kungabikô bani ngoko umenza into enge nto. Mpêlekeleleni-ke nixolile ukuze eze kum; kuba ndimkindile kunye nabazalwana.
12 Kekaloku, ngaye u-Apolo umzalwana, ndamvuselela kakûlu, ukuba eze kuni kunye nabazalwana. Kuye akubangakô kanye ukutânda ukuza okwakaloku-nje; woza-ke, xa atê wanetûba elilungileyo.
13 Pâpâni, yimani elukôlweni; yibani ngamadoda; yomelelani.
14 Zonke izinto zenu mazenziwe ninotândo.

15 Kekaloku, ndiyanivuselela, bazalwana, (niyayazi indlu ka-Stefana, ukuba iyintlahlela yelase-Akaya, nokuba bazimisele ukulungiselela abangcwele),
16 Ukuze nani nibalulamele abanjalo, nabo bonke abasebenzisana *natî emsebenzini* nababulalekayo.
17 Ndiyavuya-ke ngokufika kuka-Stefana no-Fortunato no-Akayiko; ngokuba bakwenzelelele bona ukungabikô kwenu;
18 Kuba bawupûmzile umoya wam nowenu. Bazini kakuhle ngoko abanjalo.

19 Ayanibulisa amabandla *ka-Tîxo* akwelase-Asiya. Bayanibulisa kunene e-Nkosini u-Akwila no-Prisila, kunye nebandla elisendlwini yabo.
20 Bayanibulisa abazalwana bonke. Bulisanani ngolwango olungcwele.

21 Umbuliso ungesam isandla mna Paulos.
22 Ukuba ubani akayitândi i-Nkosi u-Yesu Kristu, makasingelwe pântsi. I-Nkosi iyeza.
23 Ubabalo lwe-Nkosi u-Yesu Kristu malube nani.
24 Utândo lwam malube nani nonke baku-Kristu Yesu. Amen.

INCWADI YESIBINI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-KORINTE.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu ngokutânda kuka-Tîxo, no-Timoti umzalwana, *ubâlela* ibandla lika-Tîxo elise-Korinte, kunye nabo bonke abangcwele abakwelase-Akaya lipêla, utî:
2 Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tîxo, u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

3 Makabongwe u-Tîxo, u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, u-Sozimfefe, u-Tîxo onako konke ukutûtûzela,
4 Ositûtûzelayo kuyo yonke imbândezelo yetû, ukuze sibe nakô ukubatûtûzela abakwinto yonke eyimbândezelo, ngayo intutûzelo esitûtûzelwa ngayo natî nguye u-Tîxo;
5 Ngokuba njengokuba intlungu zika-Kristu zipûpûmela kutî, ngokunjalo itî nentutûzelo yetû ipûpûme ngô-Kristu.
6 Nokuba-na-ke sivabandezelwa, kwenzelwa oko ukutûtûzela nokusindisa nina, *ukusindisa-ke* okusebenzayo ngokunyamezela kwenu kwa ezontlungu sizivayo natî; nokuba-na-ke siyatûtûzelwa, kwenzelwa oko ukutûtûzela nokusindisa nina.
7 Kanjalo itêmbâ letû ngani liqinisekile; sisazi ukuba njengokuba ningamadlelane

Digitized by Google

natî ngazo intlungu, ngokunjalo niya *kuba ngawo* nangentutûzelo.

8 Kuba asitândi ukuba ningayazi, bazalwana, imbândezelo yetû eyasihlelayo kwelase-Asiya, ukuba saxineka ngokuncamisileyo, ngapêzu kwamandla etû, ngokokude sibuncame kanye nobom;

9 Sasuka ngokwetû saba nesigwebo sokufa ngapâkatî kwetû, ukuze singabi ngabasazitêmbâyo, sitêmbêle ku-Tîxo-lo ubavusayo abafileyo;

10 Owasihlangulayo ekufeni okungako, osihlangulayo *nangoku;* esitêmbêle kuye ukuba usaya kusihlangula:

11 Nakubon' ukuba niyancedisa nani ngokusikûngela, ukuze isipô esingokubabalwa, esenzelwe sona tîna ngabantu abaninzi, sibulelwe ngabaninzi ngenxa yetû.

12 Kuba okokuqâyisa kwetû kukunqîna kwesazela [1] setû, ukuba sitê ehlabatîni apâ, ngokukodwa-ke kuni sahlala singabange nakumbî sinokungcwengeka okuvela ku-Tîxo, singe nabulumko bubobenyama, sinobabalo luka-Tîxo.

13 Kuba asinibâleli zimbî izinto, ikwazezo niziîesayo, nizaziyo kakuhle; ndiyatêmbâ-ke ukuba niya kuzazi kakuhle kude kuse nasekupêleni,

14 Njengokuba nasaziyo kakuhle ngokuyinxenye, ukuba siliqâyiya lenu, kwa njengokuba nani nileletû ngemini ye-Nkosi u-Yesu.

15 Ndinalonkoloseko-ke ndanqwenela ukunga ndingeza kuni kuqala, ukuze nibabalwe okwesibini;

16 Ndize ndicande kuni ukuya kwelase-Makedoni; ndibuye ndivela kwelase-Makedoni ndize kuni, ndipêlekelelwe nini ukuya kwelakwa-Yuda.

17 Xa ngoko ndandifuna oko, ndandifekêtâ-na kanti? okanye izinto endizicebayo ndiziceba ngokwenyama yinina, ukuze-nje kubekô kum u-ewe, ewe, no-hayi, hayi?

18 Etêmbêkile-nje-ke u-Tîxo, ilizwi letû kuni alibanga ngu-ewe no-hayi.

19 Kuba yena oka-Tîxo u-Nyana u-Yesu Kristu, owavakaliswayo sitî pâkatî kwenu, ndim-ke no-Silvano no-Timoti, akabanga ngu-ewe no-hayi, kuye ngu-ewe kwakanye;

20 Kuba ngangoko angako amadinga kaTîxo, u-ewe ukuye, no-Amen ukuye, ukuze kuzukiswe u-Tîxo ngatî.

21 Osiqiniselayo-ke ndawo-nye nani ku-Kristu, ositâmbîsayo-ke, ngu-Tîxo;

22 Ositywine wasiqinisa, wasinika isinyaniso so-Moya sasezintliziyweni zetû.

23 Mna-ke ndibiza u-Tîxo, ukuba abe linqîna empêfumlweni wam, ukuba kungokunivela, enditê ndaba andikezi e-Korinte;

24 Anditsho ngakulugagamela ukôlo lwenu, nditsho ngokuba singabasebenza nani uvuyo lwenu; kuba nimi ngokôlo.

2 Mna-ke okwam ndagqiba kweli loku-ba ndingabuye ndize kuni ndibuhlungu.

2 Kuba mna ukuba ndinenza buhlungu, kusekô banina-ke ondenza ndibe nemihlali, onge nguye lowo wenziwe wabuhlungu kwa ndim?

3 Ndanibâlela-ke kwa kôna oku, ukuze ndakufika ndingabi buhlungu ngabo bendimelwe kuvuya ngabo; ndikôlosile ngani nonke, ukuba uvuyo lwam ikwalolwenu nonke.

4 Kuba ndanibâlela ekubandezelekeni nasekuxinezelekeni okukûlu kwentliziyo *yam*, ndinenyembêzi ezininzi, ndingenzeli ukuze nenziwe buhlungu, ndisenzela ukuze nilwazi utândo endinitânda ngalo ngokugqitiseleyo,

5 Ke, ukuba ubani wenze kwabuhlungu, akenze kwabuhlungu mna, wenze ngenxenye nina nonke; nditsho ukuze ndingamcinezeli.

6 Kumanele lowo unjalo oko kumkâlimela kwabona baninzi kuni;

7 Ngokokude nitî kanye senim*x*olela nim*t*ûtûzele, hleze lowo unjalo asele*s*uke edliwa kukuba buhlungu ngokugqitiseleyo.

8 Kungoko ndiniyalayo, nditî, luzinziseni utândo kuye;

9 Kuba ndabâlela kôna oku ukuze ndikwazi ukucikideka kwenu, ukuba ningabevayo-na ezintweni zonke.

10 Enimxolelayo-ke into, ndiya*m*xolela nam; kuba nam ukuba ndixolele into endiyixoleleyo, *ndenze* ngenxa yenu, pâmbî kuka-Kristu;

11 Ukuze singabonelelwa nguye u-Satana; kuba amaqîngа akê siyawazi.

[1] Unkwintshana.

Digitized by Google

12 Kekaloku, ndatî ndakufika e-Trowa ngenxa yendaba ezilungileyo zika-Kristu, ndakuba ndiwuvulelwe nomnyango e-Nkosini,

13 Andibanga nakonwaba emoyeni wam ngokungamfumani u-Tito umzalwana wam; ndesuka ndababulisa, ndanduluka ndaya kwelase-Makedoni.

14 Makubulelwe-ke ku-Tixo, ohlala eduma ngatî siku-Kristu, alibonakalalise ngatî ivumbâ lokwaziwa kwakê endaweni zonke.

15 Ngokuba kuye u-Tixo silivumbâ elimnandi lika-Kristu, pâkatî kwabasindiswayo napâkatî kwabatshabalalayo.

16 Kwabanye silivumbâ lokufa elisa ekufeni; kwabanye silivumbâ lobomi elisa ebomini. Ngubanina-ke ozilingeneyo ezozinto?

17 Kuba asitî njengabaninzi abo silingxengelele ilizwi lika-Tixo; sisuka ngokwabokungcwengeka, sisuka ngokwabakwa-Tixo, sitêtê pâmbî kwamehlo ka-Tixo, siku-Kristu.

3 *Xa sitshoyo*, Singaba siyawaqala siziyaleze-na? okanye sifuna njengabatile kusinina incwadi zokuyalezwa kuni, nokuba zezokuyalezwa nini?

2 Incwadi yetû tîna ebâlwe ezintliziyweni zetû nini, iyaziwa ileswa ngabantu bonke;

3 Nibonakalalisiwe-nje ukuba niyincwadi ka-Kristu eyalungiselelwa sitî, engabâlwanga nga-inke, *ebâlwe* ngo-Moya ka-Tixo opîlileyo; kungekôna emacwecweni amatye, kusemacwecweni angawenyama entliziyo.

4 Sinenkôloseko enjalo-ke ku-Tixo ngaye u-Kristu;

5 Ukutsho anditî, sikulingene ngokwetû ukucamanga nto engatî ipûma kutî ngokwetû; ukukulingana kwetû oko kupûma ku-Tixo,

6 Osenze nokusenza sakulingana ukuba ngabalungiseleli bomnqopîso omtsha, singabi ngabobâlo-nje-kodwa, sibe singabomoya; kuba ubâlo lubulala, umoya-ke udlisa ubomi.

7 Kekaloku ukuba ulungiselelo olo lubulalayo, luroliweyo ematyeni ngobâlo, lweza lunobuqaqauli, ngokokude onyana baka-Sirayeli bangabi nakuqwalasela ebusweni buka-Moses, ngenxa yobuqaqauli bobuso bakê, *ubuqaqauli-ke* obebuza kubânga:

8 Lungatî-nina ulungiselelo lwakê u-Moya ukungabi nobuqaqauli ngokugqitiseleyo?

9 Kuba ukuba ulungiselelo olugwebayo lunobuqaqauli, kokukôna luya kugqitisela ngobuqaqauli ulungiselelo lobulungisa.

10 Kuba kwanoko kwenziwe kwanobuqaqauli akwenziwanga kwanobuqaqauli ngalendawo, ngenxa-ke yobuqaqauli obu bona bubalaseleyo.

11 Kuba xa oko bekuza kubânga kunobuqaqauli, kokukôna oku kuhleliyo kunobuqaqauli.

12 Sinetêmbâ elinjalo-nje-ke ngoko, kokukôna singafihlisiyo *ukutêtâ:*

13 Singaxelisi u-Moses, yena wabeka isigqubutêlo ebusweni bakê, ukuze onyana baka-Sirayeli bangaqwalaseli esipêlweni soko bekuza kubânga:

14 Zesuka noko zaqaqadekiswa ingqiqo zabo; kuba nanamhla sisahleli kwa esosigqubutêlo ekulesweni kwawo umnqopîso omdala, singabênqwanga, ukuba *lomnqopîso* uyabânga ku-Kristu;

15 Kusuke kwade kwaba namhla-nje, kusitî xenikweni kuleswa u-Moses, kusuke kubekô isigqubutêlo entliziyweni yabo.

16 Ke xenikweni itê-ke yona yabuyela e-Nkosini, sosuswa kupelê isigqubutêlo-eso.

17 I-Nkosi-ke inguye u-Moya; apô-ke akôyo u-Moya we-Nkosi, kubakô inkululeko.

18 Tîna-ke sonke, sinobuso-nje obubênqwe isigqubutêlo, sibukângela-nje ngokwasencwadini yokuzibona ubuqaqauli be-Nkosi, senziwa similise okwalomfanekiso, sivela ebuqaqaulini sisinge ebuqaqaulini, kwa njengokuvela e-Nkosini yo-Moya.

4 Ngenxa yoko sinalo-nje olulungiselelo, sitî, njengoko senzelwe inceba, singetî-mandla;

2 Sisuke sizilahle izinto ezifihlakeleyo ezizintloni, singahambî ngobuqetseba, singalikohlakalisi ilizwi lika-Tixo; sisuka ngokuyibonakalalisa inyaniso siziyaleze kuso sonke isazela[1] sabantu emehlweni ka-Tixo.

3 Ukuba-ke zigqutyutêlwe indaba ezilungileyo zetû, zigqutyutêlwe kwabo batshabalalayo;

4 Atê utîxo welipâkade wazimfamekisa

[1] Unkwintshana.

Digitized by Google

ngapåkatî kwabo ingqiqo zabangakôlwayo, ukuze singabengezeli kubo isikânyiso sendaba ezilungileyo zobuqaqauli buka-Kristu, ongumfanekiso ka-Tîxo.

5 Kuba asizivakalisi tîna, sivakalisa u-Kristu Yesu ukuba uyi-Nkosi; sibe-ke tîna *sizivakalisa* ukuba singabakônzi benu ngenxa ka-Yesu.

6 Ngokuba ngu-Tîxo, yena watî ukânyiso malukânye ebumnyameni, okânyisele intliziyo zetû, ukuze kukânye ukwaziwa kobuqaqauli buka-Tîxo ebusweni buka-Yesu Kristu.

7 Kekaloku, obubutyebi sibupêtê ngezitya zodongwe, ukuze incamisa yamandla ibe yeka-Tîxo, ingapûmi kutî.

8 Siyabandezelwa ngenxa zonke, singaxineki; siyatîngaza, singancami;

9 Sitshutshiswa, asiyekelwa; sikâhlelwa pântsi, asitshatyalaliswa;

10 Sihlala sikutwele ngomzimbâ ukufa kwe-Nkosi u-Yesu, ukuze nobomi buka-Yesu bubonakalaliselwe emzimbêni wetû.

11 Kuba tîna badla ubomi simana sinikelwa ekufeni ngenxa ka-Yesu, ukuze nobomi buka-Yesu bubonakalaliselwe enyameni yetû enokufa.

12 Ngoko-ke kusebenza ukufa kutî, ke kuni *kusebenza* ubom.

13 Sinawo-nje-ke kwa lomoya wokôlo, ngokoko kubâliweyo *kwatîwa*, Ndakôlwa, kungoko ndatêtâyo; natî siyakôlwa, kungoko sitêtâyo nokutêtâ;

14 Sisazi, ukuba lowo wayivusayo i-Nkosi u-Yesu uya kusivusa natî ngo-Yesu, asimise pâmbî *kwakê* ndawonye nani.

15 Kuba konke oko kungenxa yenu, ukuze lutî ubabalo, lwakuba lwandile ngabona baninzi, umbulelo luwupûpûmisele ekuzukiseni u-Tîxo.

16 Kungoko singetî-mandla; kuba nokuba umntu wetû wangapândle uya esonakala, usuka yena owangapâkatî aye ehlaziyeka imihla ngemihla.

17 Kuba ubukâpûkâpû bembândezelo yetû eyeyomzuzwana busisebenzela ngokuncamise kwapêla ubuqaqauli obukûlukazi obungunapâkade:

18 Sakubon'ukuba asixûneli ezintweni ezibonwayo, sixûnela kwezingabonwayo; kuba ezibonwayo zezomzuzwana, ke zona ezingabonwayo zezonapâkade.

5 Kuba sisazi, ukuba xa itê yacîtwa indlu yetû esemhlabeni, engulomnquba, sinesakîwo esipûma ku-Tîxo, indlu yona emazulwini enge nakwenziwa ngazandla, engunapâkade;

2 Kuba kuló siyancwina, silangazelela ukwambâtâ saleke indlu yetû yasezulwini;

3 Ukuba siya kufunyanwa sambêtê okunene, singe-zé.

4 Kuba kwa tîna aba bakulomnquba siyancwina sisindwa, kunge ngakuba sitânda ukuhlutywa, kungokuba sitânda ukwambâtîswa saleke, ukuze okunokufa kufincwe bubomi.

5 Kekaloku lo usisebenzele kwa lonto ngu-Tîxo, osinike nokusinika isinyaniso sakê u-Moya.

6 Ngoko-ke sihlala somelele, sisazi ukuba sikowetû-nje emzimbêni, sikude kowetû e-Nkosini;

7 (Kuba sihambâ ngokôlo, asihambî ngakubona;)

8 Somelele-ke, sikôlisiwe nokukôliswa kanye kukuba kude kwikâya letû elisemzimbêni, sibekô kwikâya letû elise-Nkosini.

9 Kungoko sitânda imbêko yokutî, nokuba sisekâya, nokuba sikude nekâya, sibe ngabakôlekileyo kuyo.

10 Kuba tîna aba sonke simelwe kukutî sibonakalaliswe pâmbî kwesihlalo sokugweba sika-Kristu, ukuze elowo azuziswe okwenziwe ngomzimbâ, ngoko akwenzileyo, nokuba kokulungileyo nokuba kokubi.

11 Sikwazi njalo-ke ukoyikeka kwe-Nkosi, sizamela ukuba beyiseke abantu; sibonakalalisiwe-ke ku-Tîxo, ndiyatêmbâ-ke ukuba nakuzo izazela[1] zenu sibonakalalisiwe.

12 Kuba asibuyi siziyaleze kuni, sininika itûba lokuzingca ngatî; ukuze nibe nako ngakwabo bazingcayo ngobuso, bengazingci ngantliziyo.

13 Kuba nokuba siyageza, kungenxa ka-Tîxo; nokuba sinengqondo epîlileyo, kungenxa yenu.

14 Kuba lusifingile-nje utândo luka-Kristu, sigqibe kwelokutî, ukuba ufele bonke emnye, ngoko bafile bonke abo;

15 Wabafela-ke bonke, ukuze abo badle ubomi bangabi sazidlela ubomi, babudlele owafayo wavuka ngenxa yabo.

[1] Unkwintshana.

Digitized by Google

16 Ngoko-ke·tĩna sisusela kwelixesha asisazi namnye ngokwenyama; nokuba-ke besimazi u-Kristu ngokwenyama, kungoku asisamazi *ngokwenyama*.

17 Ngoko-ke ukuba ubani uku-Kristu, usidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani-ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakê.

18 Zonke izinto-ke zipûma ku-Tĩxo, owasixolelanisa naye ngokwakê ngo-Yesu Kristu, wasinika ulungiselelo loxolelaniso;

19 Olu-ke lokokuba u-Tĩxo waye ku-Kristu, elixolelanisa naye ngokwakê ihlabatĩ, engazibaleli kubo izipôso zabo, walimisa kutĩ ilizwi loxolelaniso.

20 Sizizigidimi-ke ngoko ngenxa ka-Kristu, ngokungatĩ u-Tĩxo uniyala ngatĩ; siyanikûnga ngenxa ka-Kristu, manixolelaniswe naye u-Tĩxo;

21 Kuba lowo ungazani nasono, wamenza isono ngenxa yetû, ukuze tĩna sibe bulungisa buka-Tĩxo kuye.

6 Sisebenzisana naye-nje-ke, siyaniyala, ukuba ubabalo luka-Tĩxo ningafumane nilwamkele;

2 Kuba utĩ,

Ndakuva ngexesha elamkelekileyo,
Ndakusiza ngomhla wosindiso.

u-Yes. 49, 8.

Yabonani, lingoku ixesha elamkeleke kakuhle; yabonani, ungoku umhla wosindiso;

3 Sibe-ke singamisi nasinye isiwiso namcimbĩni mnye, ukuze ulungiselelo lwetû lungabi nakubekwa bala;

4 Sisuka sitĩ emicimbĩni yonke siziqondakalise ngokwabalungiseleli baka-Tĩxo, ngokunyamezela okukûlu, sisezimbândezelweni, sisezingxakekweni, sisezingxinanweni,

5 Sinemivumbô, sisezintolongweni, sisezipĩtĩpĩtĩni, sibulaleka, singalali, sizila ukudla,

6 Sinobunyulu, sinokwazi, sinokuzeka kade umsindo, sinobubele, sino-Moya Oyingcwele, sinotândo olungahanahanisiyo,

7 Sinelizwi lenyaniso, sinamandla ka-Tĩxo, sinentonga zobulungisa zasekunene nasekôhlo,

8 Sikuzuko nakwintswela mbêko, sikudumo olubi nakudumo oluhle; ngatĩ singabalahlekisi, ukanti singabenyaniso;

9 Ngatĩ singabangaziwayo, ukanti singabaziwayo; ngatĩ singabafileyo, nanku sisidla ubomi; ngatĩ singababetŵayo, singabulawa noko;

10 Ngatĩ sibuhlungu, ukanti singabahlala bevuya; ngatĩ singamahlwempu, ukanti singabatyebisa abaninzi-ke; ngatĩ singabange nanto, ukanti singabahlala benezinto zonke.

11 Umlomo wetû uvulekile kuni, base-Korinte; intliziyo yetû yenziwe yabanzi.

12 Anixinene kutĩ, nixinene ezimfesaneni zenu.

13 Umbuyekezo-ke onjalo, (nditêtâ njengakubantwana bam,) nditĩ yibani banzi nani.

14 Musan' ukunxulumana nabolunye uhlobo, abangakôlwayo-ke; kuba kunakwabelana kunina ubulungisa nokucâs'umtêtô? kunabudlelane bunina-ke ukukânya nobumnyama?

15 Unakuvumelana kunina-ke u-Kristu no-Beliyali[1]? unasahlulelwano sinina okôlwayo nongakôlwayo?

16 Inakudibana kunina-ke i-tempile ka-Tĩxo nezitĩxo? Kuba nina niyi-tempile ka-Tĩxo opĩlileyo; njengokuba watshoyo u-Tĩxo ukutĩ: Ndiya kuhlala pâkatĩ kwabo, ndihambê pakatĩ kwabo; ndibe ngu-Tĩxo wabo, babe ngabantu bam bona.

17 Kungoko nditĩ,

Pûmani pâkatĩ kwabo nizahlule, itsho i-Nkosi,
Nento encôlileyo ningayicûkumisi;

u-Yes. 52, 11.

Ndandiya kunamkela,

18 Ndibe nguyihlo
Nina nibe ngonyana nentombĩ kum,
itsho i-Nkosi u-Somandla. Yes. 81, 1. 9.

7 Sinawo-nje ngoko lamadinga, zintânda, masizihlambûlule kuko konke ukudyobeka kwenyama nokomoya, sibufeza ubungcwele sisoyika u-Tĩxo.

2 Samkeleni ngentliziyo zenu; asonanga mntu, asonakalisanga mntu, asipânganga mntu.

3 Anditsho ngakunigweba; kuba senditê ngapâmbĩli, nisezintliziyweni zetû ukuba sife nani, sidle ubomi nani.

4 Ndinokungafihlisi okukûlu kuni, ndizingca kakûlu ngani; ndizele yintutûze-

[1] U-Tshitjolo.

Digitized by Google

lo, ndipûpûma uvuyo kakûlu kuyo yonke imbândezelo yetû.

5 Kuba sitê sakufika kwelase-Makedoni, ayabi nakupûmla nakanye inyama yetû; sabandezelwa ngenxa zonke, ngapândle ikukulwa, ngapâkatî ikukoyika.

6 Ke lowo ubatûtûzelayo abatôbekileyo, u-Tixo-ke, wasitûtûzela ngokufika kuka-Tito;

7 Akwabi ngakufika kwakê-ke kupêla, kwaba ngayo intutûzelo awatûtûzeleka ngayo kuni, esityela ulangazelelo lwenu, isijwili senu, nokundizondelela kwenu, ngokokude ndivuye ngakumbî.

8 Kuba nakuba ndikê ndanenza nabuhlungu ngencwadi-leyo, andizohlwayi, nokuba ndikê ndazohlwaya; kuba ndiyabona ukuba loncwadi yanenza buhlungu, nakuba kwabangumzuzwana.

9 Ngoku-ke ndiyavuya, ndingavuyeli kuba nenziwa buhlungu, ndivuyela ukuba nenziwa buhlungu ngokwasinga enguqukweni; kuba nenziwa buhlungu ngokokuka-Tixo, ukuze ningalahlekwa nto ngatî.

10 Kuba ubuhlungu obungokuka-Tixo busebenza inguquko esingisa elusindisweni, ekungekô kuzohlwaya ngayo; ke kôna okwehlabatî ukuba buhlungu kusebenza ukufa.

11 Kuba, yabonani, kwa okokwenziwa kwenu buhlungu ngokuka-Tixo kwanisebenzela ukunyameka okungakanana, nasuka nazipêndulela, nasuka nacapûka, nasuka noyika, nasuka nalangazelela, nasuka nazondelela, nasuka napîndezela! Ngendawo zonke niziqondakalisile, ukuba kulomcimbî nimsulwa nina okwenu.

12 Ngoko-ke noko ndanibâlelayo, andikwenzanga oko ngenxa yalowo wamonayo *omnye*, kanjalo andikwenzanga ngenxa yalowo woniwayo; ndakwenzela ukuze kubonakalaliswe kuni ukuninyamekela kwetû emehlweni ka-Tixo.

13 Ngenxa yoko sitûtûzelekile ngenxa yokutûtûzeleka kwenu; sakuvuyela-ke ngokugqitiseleyo ngakumbî ukuvuya kuka-Tito; ngokuba wapûnyuzwayo umoya wakê nini nonke.

14 Ngokuba ukuqâyisa endaqâyisa ngako ngani, andidaniswanga ngako; njengokuba sazitêtâ kuni izinto zonke sinyanisile, ngokunjalo nokuqâyisa kwetû oko pâmbî ko-Tito kwaba yinyaniso.

15 Imfesane yakê isenkulu, ngakuni ngokugqitiseleyo, akukûmbûla ukumva kwenu nonke, nokokuba namamkelayo ninokoyika nokugubâ.

16 Ndiyavuya ngoko, kuba ndomelezekile kuni ezintweni zonke.

8 Kekaloku bazalwana, siyanazisa ubabalo luka-Tixo oluhlakaziweyo pâkati kwamabandla akwelase-Makedoni;

2 Okokuba ekucikidweni kwawo okukûlu yimbândezelo kutê ukupûpûma kovuyo lwawo nobuhlwempu bawo obendeleyo kwapûpûmela ekutyebiseni ukunyanisa kwawo.

3 Ngokuba ndiyanqîna, ukuba batê ngokwamandla *abo*, ewe nangapêzu kwamandla banikela ngokuqûtywa yintliziyo,

4 Besikûnga besibongoza kakûlu, ukuba silwamkele ubabalo-olo, ubudlelane-ke obo bokulungiselela abangcwele.

5 *Abanelanga* kwenza njengoko sâtêmbî ngako, batî kuqala bezinikela e-Nkosini, baza kamva *bazinikela* nakutî ngokutânda kuka-Tixo.

6 Ngokokude simyale u-Tito, ukuze ai njengokuba ebeqalile, alufezele kuni ngokunjalo nololubabalo.

7 Ke, kwanjengokuba nipûpûma into zonke, ukôlo, nokutêtâ, nokwazi, nokunyameka konke, nokusitânda kwenu, manipûpûme nakulo olubabalo.

8 Anditsho ngakwamniselo; ukutsho ndenziwa kunyameka kwabanye, ndicikida nenyaniso yolwenu utândo;

9 Kuba niyalwazi ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, okokuba yatî, ibisityebile nje, yaba lihlwempu ngenxa yenu, ukuze nina nibe zityebi ngobuhlwempu bayo obo.

10 Ngalendawo-ke ndinipâ okwam ukubona; kuba oko kunilungele nin'aba nayiqalayo kwa nyakenye *lento*, ananela kuyenza, nayitânda nokuyitânda.

11 Ngoku-ke yenzeni niyifeze lonto, ukuze kwa njengokuba bekukô intumekelelo yokutânda, kwa ngokunjalo kubekô nokuyifeza ngeninakô.

12 Kuba intumekelelo, ukuba selikô, yamkeleka kakuhle ngokoko asukuba enakô umntu, kungabi ngokoko ange nakô.

13 Kuba anditî, mabapûmle abanye, nibandezeleke nina; nditi ukuze kubekô ukulingana ngexesha lakaloku-nje, ukupûpûma kwenu makufikelele ekusilelen kwabo;

14 Ukuze nokupûpûma kwabo kufikele-

Digitized by Google

le ekusileleni kwenu, ukuze-ke kubekô ukulingana;

15 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa:* Owabutâ kakûlu akabanga nakusalelayo; nowabutâ kancinane akabanga nakusilela.

16 Makubulelwe-ke ku-Tîxo, ongenise kwa okokuninyamekela entliziyweni ka-Tito.

17 Ngokuba wasamkela okunene isiyalo; ke utê enyameke okunye wapûma ngokuqûtywa yintliziyo, waya kuni.

18 Satûma-ke kunye naye umzalwana odume pâkatî kwawo onke amabandla ngokuvakalisa indaba ezilungileyo.

19 Asikupêla-ke oko, wanyulwa nokunyulwa ngawo amabandla, ukuba abe ngohambâ natî nalo olubabalo lulungiselelwayo sitî, ukuze izukiswe i-Nkosi, nibe nokutûmekelela nina:

20 Silumkele oku, ukuba kungabikô mntu usibeka bala kulenyambâlala yeminikelo ilungiselelwayo sitî;

21 Sikâtâlele izinto ezintle, kunge kôna emehlweni e-Nkosi yodwa, kukwanasemehlweni abantu.

22 Sitûmê-ke kunye nabo umzalwana wetû, esimcikidê futî ngendawo ezininzi sam*fumana* ekûtêle; kokukôna akûtêle kakûlu, ekôlose kakûlu ngani.

23 Nokuba kutêtwa *ntoni* ngo-Tito, yazini ukuba ulidlelane nam, nomsebenzisi wam kuni; nokuba kutêtwa ngabazalwana betâ, yazini ukuba bangabatûnywa bamabandla *ka-Tîxo,* baluzuko luka-Kristu.

24 Lombonakalaliso ngoko wotândo lwenu nowokuzingca kwetû ngani, wubonakalaliseni kubo, napâmbî kwamabandla.

9 Kuba okunene ngako ukulungiselela abangcwele, akufuneki kôna ukuba ndinibâlele.

2 Kuba ndiyakwazi ukutûmekelela kwenu, endiqâyisa ngako ngani kwabelase-Makedoni, ndisitî elase-Akaya beliselilungê kwa nyakenye; nokuzondelela kwenu kwaxôkonxa abona baninzi.

3 Kekaloku, nditûmê abazalwana, ukuze iqâyiya letû elingani lingalanjatiswa ngalendawo; ukuze nitî, njengokuba benditshilo, nibe senilungile;

4 Hleze kutî, ukuba batê bafika nam abelase-Makedoni, banîfumana ningekalungi, sidaniswe tîna (ukuba asingetî kudane nina) kokokukôlosa kokuqâyisa.

5 Ngoko ndaba kuyafuneka ukubavuselela abazalwana, ukuba basandulele ukuya kuni, bayilungise ngapâmbîli intsikelelo yenu ebiselixeliwe ngapâmbîli, ilunge yona ngohlobo lwentsikelelo, ingangi yeyokuvimbâ.

6 Qondani-ke lento: Lowo uhlwayela kakuvimbâ wovuna kwa kakuvimbâ; nalowo uhlwayela kasisa wovuna kwa kasisa.

7 Elowo *makanike* njengoko agqibê ngako entliziyweni; makungabi kokupûma kabuhlungu nangokunyanzelwa; kuba u-Tîxo utânda umpî ocwayitileyo.

8 Unakô-ke u-Tîxo ukupûpûmisela kuni ubabalo lonke, ukuze nitî, nihlala ninakônje ukwanela konke ngendawo zonke, nipûpûmele emsebenzini wonke olungileyo;

9 Njengokuba kubâliwe *kwatîwa,*

Wasasaza wapâ abasweleyo;
Ubulungisa bakê buhleli ngonapâkade. in-Dum. 112, 9.

10 Wanga-ke angatî ompâ imbêwu umhlwayeli, nesonka sokudliwa, anipê ayandise imbêwu yenu, ahlumise isiqâmo sobulungisa benu;

11 Nitî ngendawo zonke nityetyiselwe ekunyanisemi konke, kôna kusebenzayo ngatî umbulelo ku-Tîxo.

12 Ngokuba ulungiselelo lwalombuso alwaneli kuzalisela intsilelo zabangcwele; lusuka kananjalo lupûpûme imibulelo emininzi kuye u-Tîxo,

13 Besitî-nje ngako ukucikideka kololulungiselelo bamzukise u-Tîxo ngenxa yokulululamela kwenu uvumo lwenu ngokusingisele kwindaba ezilungileyo zika-Kristu, nangenxa yokunyanisa kokudlelana kwenu ngokusingisele kubo nabantu bonke,

14 Bakubon' ukuba nabo bayanilangazelela benikûngela ngenxa yobabalo luka-Tîxo oluncamisileyo kuni aba.

15 Makubulelwe-ke ku-Tîxo ngenxa yesîpô sakê esinge nambâli.

10 Kekaloku, ndiyaniyala ngabo ubulali nokutântamisa kuka-Kristu, mna Paulos ngokwam, ndingotôbekileyo kambê ngembônakalo, xa ndipâkatî kwenu, kodwa ndakuba ndingekô ndiba nobugagu kuni;

2 Ndiyakûnga-ke, ukuze ndingatî, ndakuba ndikô, ndibe nobugagu ngokokukô-

Digitized by Google

losa, ndiba ndoba nobuganga ngako kubo abatîle ababa sihambå ngokwenyama.

3 Kuba noko sihambå sisenyameni, asipûmi mkôsi ngokwenyama;

4 Kuba zona intonga esipûma ngazo umkôsi azizezenyama, kuye u-Tîxo zinamandla okuwisa inqaba;

5 Siwisa *ngazo-nje* amabôngo nayo yonke into epåkamileyo ezipåkamisayo ngokucâsa ukwazi u-Tîxo; ingqiqo zonke sizitîmbêla ekumlulameleni u-Kristu;

6 Sizilungisele ukupîndezela konke ukungamlulameli, xa kutê kwazaliseka okwenu ukumlulamela.

7 Izinto nizikângela ngokwembônakalona? Ukuba umntu ukôlose ngokutî ungoka-Kristu makabuye acinge oku ngokwakê, ukuba njengokuba engoka-Kristu yena, ngokunjalo singabaka-Kristu natî.

8 Kuba naxa bendingatî ndigqitisele ukuqåyisa ngalo igunya letû, esalinikwayo yi-Nkosi ukuba sinakê, singanicîtî, bendingedaniyo;

9 *Nditsho* ukuze ndingangi ndifuna ukunoyikisa ngazo incwadi-ezi;

10 Ngokuba kutîwa, incwadi-ezi zakê okunene zinzima, zinamandla; kodwa-ke akubakô ngenqu akanamandla, nokutêtâ kwakê akunto yanto.

11 Onjalo-ke makacinge lento; njengoko sinjalo ngako ukutêtâ ngencwadi, sakuba singekô, sikwanjalo ngawo umsebenzi, sakuba sikô.

12 Kuba asinabuganga bokuzibalela nokuzifanisa nabo abatîle abaziyalezayo; bona abanangqondo bezilinganisela-nje kwakubo ngokwabo, bezifanisa-nje nabo ngokwabo.

13 Ke tîna asisokuqåyisa sigqitise emlinganiselweni; soqåyisa ngokomlinganiselo womda esiwabelwe ngu-Tîxo, ukuba ube ngumlinganiselo oya kufikelela nakuni.

14 Kuba asizoluli ngokugqitiseleyo, ngatî asifikeleli kuni; kuba sesafikelelayo nakuni sinendaba ezilungileyo zika-Kristu;

15 Asiqåyisi sigqitise emlinganiselweni ngokubulaleka kwabanye; ke sinetêmbå, ukuba lwakukûla ukôlo lwenu, siya kwenziwa bakûlu påkatî kwenu ngokomda wetû, sigqitisele,

16 Side sizishumayele indaba ezilungileyo ezindaweni ezingapâya kwenu; singaqåyisi ngesilinganiselo somnye ngezintoke esezilungisiwe.

17 Oqåyisayo-ke, makaqåyise nge-Nkosi.

18 Kuba oyena ucikidekileyo asingoziyalezayo, ngoyalezwa yi-Nkosi.

11 Akwaba ningandinyamezela kancinane ekusweleni ukuqonda kwam! kodwa noko niyandinyamezela.

2 Kuba ndiyanikŵeletela ngekŵele lika-Tîxo; kuba ndanendisa ndodeni nye, ukuze ndinimise pambi ko-Kristu niyintombî enyulu.

3 Ndiyoyika-ke, hleze kutî, njengokuba inyoka yamlukuhlayo u-Eva ngobuqêtseba bayo, zonakaliswe ngokunjalo nani ingqiqo zenu, zimke ekunyaniseni kuye u-Kristu.

4 Kuba kaloku xa lowo uzayo avakalisa omnye u-Yesu esingamvakalisanga tîna, nokuba namkela moya wumbî enaningamkelanga wona, nokuba zindaba ezilungileyo ezizimbî enaningamkelanga zona, beningaba kambê niyatyapa ukumnyamezela.

5 Kuba ndiba andisilele nganto kwabona ba-postile bazincamisa.

6 Nakuba-ke ndiliyilo ngentetô, andinjalo ngokwazi; sabonakala kuni påkatî kwabo bonke ngendawo zonke.

7 Ndenza isono-na ngokuzitôba, ukuze nipâkanyiswe nina; ngokuba ndanishumayezayo ngesisa indaba ezilungileyo zika-Tîxo?

8 Amanye amabandla *ka-Tîxo* ndawabûnyula, ndisamkela umvuzo ukuze ndilungiselele nina.

9 Kanjalo xa ndandikô kuni ndiswele, andibanga mtŵalo mntwini; kuba ukuswela kwam bakwenzelelela abazalwana, bakuvela kwelase-Makedoni; ndatî ngendawo zonke ndazigcina, andabi bunzima kuni, ndisaya kuzigcina nangoku.

10 Ikum-nje inyaniso ka-Kristu, nditî ololuqåyiso aluyi kuvingcwa mlomo mayela nam mna kwimimandla yelase-Akaya.

11 Nganina-ke? ngokuba ndinganitândina? Hayi, u-Tîxo uyazi.

12 Endikwenzayo-ke ndiya kukwenza, ukuze ndibahlute itûba *lokujinda* abafuna itûba; ukuze entweni abaqåyisa ngayo bafunyanwe bekwanjengatî.

13 Kuba abobanjalo ngaba-postile ababuxoki, ngabasebenzi abakôhlisayo, bezimilisa okwaba-postile baka-Kristu.

14 Ke akummangaliso oko; kuba no-Sa-

Digitized by Google

tana ngokwakê uzimilisa okwesitûnywa sokukânya.

15 Akunto inkulu-ke ngoko, ukuba abalungiseleli bakê bazimilise okwabalungiseleli bobulungisa; abasipêlo siya kuba ngokwemisebenzi yabo.

16 Ndibuye nditî, Makungabikô mntu uba ndingoswele ukuqonda; okanye-ke kambê ndamkeleni njengoswele ukuqonda, ukuze-ke ndiqâyise kancinane nam.

17 Oku ndikutêtâyo, andikutêtî ngokwe-Nkosi, ndikutêtâ ngokoswele ukuqonda, ndinokokukôlosa koqâyiso.

18 Ekubeni bebaninzi-ke abaqâyisa ngokwenyama, ndoqâyisa nam.

19 Kuba niyabanyamezela ngovuyo abaswele ukuqonda, nizingqondi-nje nina.

20 Kuba kaloku niyanyamezela, ukuba umntu unenza amakôboka, ukuba umntu uyanidla, ukuba umntu uyanibambîsa, ukuba umntu uyazipâkamisa, ukuba umntu uyanibetâ ebusweni.

21 Nditî ndizihlaza, ngatî sasiswel'amandla tîna. Entweni-ke asukuba umntu enobuganga, (nditêtâ ndinokuswel' ukuqonda,) ndinobuganga nam.

22 Bangama-Hebere-na? ndinguye nam. Bangama-Sirayeli-na? ndinguye nam. Bayimbêwu ka-Abraham-na? ndiyiyo nam.

23 Bangabalungiseleli baka-Kristu-na? (nditêtâ nxamnye nengqondo,) nditî ndingongapêzulu mna, ngokubulaleka okugqitiseleyo, ngemivumbô egqit' emgceni, ngokuba sezintolongweni ngokugqitiseleyo, ngokuba sekufeni futî.

24 Kuma-Yuda ndazuza kahlanu imivumbô emashumi mane kwapûka mnye.

25 Kukatâtû ndibetŵa ngentswazi, okunye ndaxulutywa ngamatye, ndapûkelwa ngumkômbê katâtû, ndenze ubusuku nemini enzulwini;

26 *Nditî ndingongapêzulu* ngokuhambâ okufutî, ngengozi zemilambô, ngengozi zezihange, ngengozi zamakowetû, ngengozi zen-Tlanga, ngengozi pâkatî komzi, ngengozi entlango, ngengozi elwandle, ngengozi pâkatî kwabazalwana ababuxoki;

27 Ngokubulaleka nangemigu, ngokungabi nakulala okufutî, ngokulambâ nokunxanwa, ngokuzila ukudla okufutî, ngengqele nobuzé.

28 *Ndingasazibali* zona izinto ezingapândle kwezo, ndingungelwe imihla ngemihla kukuwaxâlela onke amabandla *ka-Tixo*.

29 Ngubanina okê aswel' amandla, ndingaswel'amandla nam? ngubanina okê akûtyekiswe, ndingatshiseki mna?

30 Ukuba ndimelwe kuqâyisa, ndoqâyisa ngezinto zokuswel'amandla kwam.

31 U-Tîxo, u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, ongowokubongwa ngonapâkade, uyazi ukuba andixoki.

32 E-Damasko umpâtî-luhlanga ka-Areta ukumkani, wayewulinda umzi wase-Damasko, efuna ukundibambâ;

33 Ndaza ngeŕoba ndatôtywa ngomnyazi eludongeni, ndasinda ezandleni zakê.

12 Ukuqâyisa okunene akundilungele; kuba ndiza kuza kwimibono nezitŷilelo ze-Nkosi.

2 Ndazi umntu oku-Kristu, esekuyiminyaka elishumi elinamine, (nokuba ube semzimbêni-na andazi, nokuba ubengekô-na emzimbêni, andazi; kwaziwa ngu-Tîxo,) etê lowo waxŵilwa wada wasiwa nakwelesitâtû izulu.

3 Ndiyamazi-ke umntu onjalo, (nokuba ube semzimbêni-na, nokuba ubengekô-na emzimbêni, andazi; kwaziwa ngu-Tîxo,)

4 Okokuba waxŵilwa wasiwa e-Paradisi, weva amazwi ange nakutêtŵa, ekungavumelekileyo ukuba umntu awatêtê.

5 Onjalo-ke ndiya kuqâyisa ngaye, kodwa andiyi kuqayisa ngokwam nganto ikum, ingaba kungokuswela kwam amandla kodwa.

6 Kuba xa bendingatî nditânde ukuqâyisa, bendingayi kuba ndiswele ukuqonda, kuba bendiya kuba nditêtâ inyaniso; kodwa ndiyayeka, ukuze kungabikô bani ucinga ngam ngapêzu koko abona ndikuko, atî mhlaumbî akuve kum.

7 Kwatî, ukuze ndingazipâkamisi ngokungapêzulu ngenxa yezitŷilelo eziyincamisa, ndanikwa uviko enyameni, isitûnywa sika-Satana, ukuze sindintlite, ukuze ndingazipâkamisi ngokungapêzulu.

8 Ndayibongoza katâtû i-Nkosi ngaso eso, ukuba sisuke kum.

9 Itê yona kum, Ubabalo lwam lukwanele; kuba amandla am azalisekiswa ekuswelekeni kwamandla. Kamnandi kakûlu ngoko kokukôna sendiya kuqâyisa ngokuswela kwam amandla, ukuze ahlale pêzu kwam amandla ka-Kristu.

10 Kungoko ndikôlisiweyo kuswela amandla, kupâtŵa kakubi zingxakeko, zintshutshiso, zingxinano ngenxa ka-Kri-

Digitized by Google

stu; kuba xa sukuba ndiswel'amandla, kuxa ndinamandla.

11 Sendisuke ndaba ngoswel' ukuqonda ngokuqâyisa, ndinyanzelwe nini. Kuba mna ndibe ndifanele ukuyalezwa nini; kuba andisilelanga nganto kuba-postile abo bazincamisa, nakuba ndinge nto yanto.

12 Imiqondiso yokuba ngum-postile inene yasetyenzwa pâkatî kwenu ngokunyamezela konke, ngemiqondiso nezimanga nemisebenzi yamandla.

13 Kuba yinto-nina enasilela ngayo kwamanye amabandla *ka-Tîxo*, inge kukuba mna ngokwam ndingabanga mtŵalo kuni? Ndixoleleni okokungalungisi.

14 Yabonani, sendilungele ukuza kuni okwesitâtû; ndaye ndingayi kuba mtŵalo kuni; kuba andifuni zinto zenu, ndifuna nina. Kuba asingabantwana abafanele ukuqwebela abazali, ngabazali abafanele ukuqwebela abantwana.

15 Mna-ke kuya kuba mnandi kakûlu, ukuba ndicîtê ndidleke kupêle ngenxa yemipêfumlo yenu; nakuba okukôna ndinitândayo kakûlu, kokukôna nditândwa kancinane.

16 Kungade kube kunjalo: mna kambê andinishicilelanga; mandibe ndinobuqêtseba-nje ndisuke ndanibambîsa ngenkohliso!

17 Kukô mntu-na-ke kwabo ndabatûmayo kuni, endanidlayo ngaye?

18 Ndamyala u-Tito, ndatûma umzalwana-lowo kunye naye. Wanidla-na-ke u-Tito? asihambânga moyeni mnye yinina? asihambânga mkôndo mnye yinina?

19 Niyawaseniba siyazipêndulela kusinina kuni? Sitêtâ pâmbî kuka-Tîxo, siku-Kristu; *sizitêtâ* zonke-ke izinto-ezo, zintânda, ngenxa yokwakêka kwenu.

20 Kuba ndiyoyika, hleze nditî ndakufika ndinifumane ninge njengendikutândayo, nam ndifunyanwe nini ndinge njengenikutândayo; hleze kubekô inkani, amakŵele, imisindo, amayelenqe, intlebendwane, intsebezo, inkukûmalo, izipîtîpîtî;

21 Hleze nditî, ndakufika kunjalo, anditôbe u-Tîxo wam pâkatî kwenu, ndize ndikêdame ngenxa yabaninzi ababesebônile, abaguquka ekuncôleni nasembulweni nasebufeletyweni ababenzayo.

13 Oku kokwesitâtû ndisiza kuni. Onke amazwi aya kumiswa ngomlomo wamanqîna amabini, nokuba matâtû.

2 Sendixele kade, ndixela ngenx' engapâmbîli, njengoko ndandikô okwesibini, *nanjengoku* ndingekôyo ngoku, ndibaxelela abo bône kade nabanye bonke, okokuba xa nditê ndabuya ndafika andiyi kubaconga;

3 Ekubeni nifuna isiganeko sokutêtâ kuka-Kristu pâkatî kwam, ongaswel'amandla ngokusingisele kuni, onamandla pâkati kwenu.

4 Kuba nakuba wabetêlwayo emnqamlezweni ngokwasekusweleni amandla, udla ubomi ngokwasemandleni ka-Tîxo. Kuba natî siswele amandla kuye, noko siya kudla ubomi naye ngokwasemandleni ka-Tîxo ngokubêkisele kuni.

5 Zilingeni, ukuba niselukôlweni-olu-na, zicikideni ngokwenu. Okanye anizazi-na ukuba u-Yesu Kristu ungapâkatî kwenu? ukuba okunene aningabo-abo bange nakucikideka.

6 Ndiyatêmbâ-ke ukuba niya kwazi, ukuba asingabo-abo bange nakucikideka nina.

7 Nditândaza-ke kuye u-Tîxo, ukuba ningenzi nanye into embî; kungekuko ukuze sibonakale sicikidekile tinâ, ikukuze nenze into entle nina, ke tîna sibe njengabange nakucikideka.

8 Kuba asinakwenza nto ngokucâssa inyaniso; sinokwenzela inyaniso.

9 Kuba siyavuya, xa sukuba singe namandla tîna, ke nina ninamandla; sinandzela nokutândazela oku-ke, ukuba nigqibelele ukulunga.

10 Ngenxa yoko ndibâla ezizinto ningekô, ukuze ndingatî, ndakuba ndikendenza kabukâli ngokwegunya endalinkwa yi-Nkosi, ukuba libe lelokwakâ, lingabi lelokucîtâ.

11 Elokugqiba, bazalwana, *nditi*, Vuyani, zilungiseni nigqibelele, tûtâzelekani cingani nto nye, xolani; wotî-ke u-Tîxo wotândo noxolo abe nani.

12 Bulisanani ngolwango olungcwele.

13 Bayanibulisa bonke abangcwele-ste

14 Ubabalo lwe-Nkosi u-Yesu Kristo notândo luka-Tîxo, nodlelano lo-Moya oyingcwele, malube nani nonke. Amen.

Digitized by Google

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KUMA-GALATI.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile (ongavele bantwini, kanjalo kunge ngamntu, kungaye u-Yesu Kristu no-Tixo u-Yise owamvusayo kwabafileyo,)

2 Kwa nabazalwana-aba bonke banam, utî kuwo amabandla *ka-Tixo* akwelase-Galati:

3 Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tixo u-Yise, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu,

4 Owazinikelayo ngenxa yezono zetû, ukuze asinyotûle kwipâkade-eli langoku lingendawo ngokokutânda kuka-Tixo u-Bawo wetû:

5 Kuye *malubekô* uzuko, kude kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

6 Ndimangalisiwe kukuba nipênduke kamsinya kangaka kulowo wanibizayo ngobabalo luka-Kristu, niye kwindaba ezilungileyo ezizizimbî,

7 Ezingezizo nokuba zizo ezinye; koko kukô batîle banikâtâzayo, batândayo ukuzigqweta indaba ezilungileyo zika-Kristu.

8 Ke, nokokuba sisuke tîn'aba, nokokuba sisuke isitûnywa sasezulwini sanishumayeza indaba ezilungileyo ezinxamnye nezo sanishumayezayo, masisingelwe pântsi!

9 Njengokuba besesitshilo, ndiyapînda nditî nangoku, Ukuba ubani unishumayeza indaba ezilungileyo ezinxamnye nezo nazamkelayo, makasingelwe pântsi.

10 Kuba ngoku nditômalalisa abantu, nditômalalisa u-Tixo kusinina? ndifuna ukukôlisa abantu-na? ukuba ndingaba ndisakôlisa abantu, ndingaba andingumkônzi ka-Kristu.

11 Kekaloku, ndiyanazisa, bazalwana, ukuba azingokomntu indaba ezilungileyo ezi zashunyayelwayo ndim;

12 Kuba nam-lo andizamkelanga mtwini, andizifundiswanga nokuzifundiswa; ndazamkela ngokutŷilelwa ngu-Yesu Kristu.

13 Kuba nayiva eyam ihambô eyayifudula isebu-Yudeni, ukuba ndaye ndilitshutshisa ndilibûqa ibandla lika-Tixo ngokuncamisileyo,

14 Ndaye ndihambêla pâmbîli ebu-Yudeni ngapezu kwabaninzi ababe zintangá zam eluhlangeni lwakowetû, ndizizondelele ngokugqitiseleyo izitêtê zomawokûlu.

15 Ke, xenikweni kwakôlekayo ku-Tîxo owandahlulayo kwasesizalweni sikamā, wandibiza ngalo ubabalo lwakê,

16 Ukuba amtŷile u-Nyana wakê ngapâkatî kwam, ukuze ndimshumayele ngendaba ezilungileyo pâkatî kwentlanga; kwa oko andibêkisanga nto kwinyama negazi;

17 Andinyukanga nokunyuka ndiye e-Yerusalem kubo ababe ngaba-postile ngapâmbî kwam; ndesuka ndaya kwelase-Arabi, ndaza ndabuyela e-Damasko.

18 Ndandula ndatî emva kweminyaka emitâtû ndenyuka ndaya e-Yerusalem, ukuba ndazane no-Petros; ndahlala naye intsuku ezilishumi elinantlanu.

19 Andibonanga wumbî-ke kuba-postile, yaba ngu-Yakobi umzalwana we-Nkosi yedwa.

20 Izinto-ke endinibâlela zona, yabonani, *nditêtâ* emehlweni ka-Tîxo, andixoki.

21 Emva koko ndeza kwimimandla yelase-Siriya nelase-Kilikiya;

22 Ndaye-ke ndingaziwa ngesiqu ngawo amabandla akwelama-Yuda aku-Kristu;

23 Banel'ukuva kwakupêla, ukuba lowo wayefudula esitshutshisa, ngoku ushumayela indaba ezilungileyo zokôlo abefudula elubûqa.

24 Bamzukisa u-Tîxo ngam.

Digitized by Google

2 Ndaza emva kweminyaka elishumi elinamine, ndabuya ndenyuka ndaya e-Yerusalem ndino-Barnabas, ndatâbatâ no-Tito;

2 Ndenyuka-ke ngokwesitŷilelo, ndazandlala pâmbî kwabo indaba ezilungileyo endizivakalisayo pâkatî kwen-Tlanga; ndazandlala-ke pâmbî kwabo badumileyo bebodwa, hleze ndibe ndifumana ndibaleka, mhlaumbî ndibe ndafumana ndabaleka.

3 No-Tito, lo ube nam, nangona ebe ngum-Grike, akanyanzelwanga ukuba alûke;

4 Ngenxa-ke yabazalwana ababuxoki abangeniswayo bucala, bona bangena ngokunyebeleza besiza kuhlola inkululeko yetû esinayo ku-Kristu Yesu, ukuze basitôbele ebukôbokeni;

5 Esatî abo asabavumela ngolulamo nokwexa elinye, ukuze inyaniso yendaba ezilungileyo ihlale ihleli kuni.

6 Ke aba badumele ukuba bayinto, nokuba bebefudula benjani, akunto oko kum, u-Tîxo akakêti buso bamntu. Kuba aba babedume ngobunto ababêkisanga nto kum;

7 Basuka batî kanye, bakubona ukuba ndizipâtîsiwe indaba ezilungileyo kwabangalukileyo, njengokuba u-Petros *ebezipâtîsiwe* kwabolwaluko,

8 (Kuba kwalowo wamsebenzelayo u-Petros ngokusingisele kubo ubu-postile babolwaluko, wandisebenzela nam ngokusingisele kwin-Tlanga;)

9 Kananjalo bakulwazi ubabalo endababalwa ngalo, batî o-Yakobi no-Kefas no-Yohane, aba-ke babedume ukuba bazintsika, basinika tîna no-Barnabas izandla zokunene zobudlelane, ukuze siye tîna kwin-Tlanga, bona-ke baye kwabolwaluko;

10 Batî zesiwakûmbûle amahlwempu; into ke-leyo endandiyikûtâlela ukuyenza.

11 Kekaloku, xenikweni u-Petros wafika kwa-Antiyokwe, ndamelana naye ngokusekuhleni, ngokuba ube ngogwetyiweyo.

12 Kuba pâmbî kokuba kufikē abatîle bevela ku-Yakobi, wadla ndawo-nye nabon-Tlanga; ke watî bakufika, wesuka wanqwanqwa wazahlula *kubo*, esoyika abo bolwaluko.

13 Ke ahanahanisa njengaye namanye ama-Yuda; wada no-Barnabas wakûkuliswa luhanahaniso lwawo.

14 Xenikweni-ke ndabonayo ukuba abatê-ngqo ukuhamba enyanisweni yendaba ezilungileyo, ndatî ku-Petros pâmbî kwabo bonke, Ukuba wena, ungum-Yuda-nje, uhleli ngokwaben-Tlanga, ungahlali ngokobu-Yuda, yinina ukuba ubanyanzele aben-Tlanga ukuba bahlale ngokobu-Yuda?

15 Tîna singama-Yuda ngemvelo, asingaboni abavela kwin-Tlanga,

16 Sisazi-nje ukuba akagwetyelwa umntu ngokwasemisebenzini yomtêtô, kupêla kungokukôlwa ku-Yesu Kristu, sitêke natî aba sakôlwa ku-Kristu-Yesu, ukuze sigwetyelwe ngokwasekukôlweni ku-Kristu, kungabi ngokwasemisebenzini yomtêtô; ngokokuba akuyi kugwetyelwa mntu ngokwasemisebenzini yomtêtô.

17 Ke ukuba sifuna-nje ukugwetyelwa ngo-Kristu, sifunyanwa singaboni natî ngokwetû; ndiyabuza nditî, akangebi u-Kristu ungumlungiseleli wesono-na kengoko? Nakanye!

18 Kuba ukuba izinto endazicîtâyo, ndibuye ndizakê zona, ndiyaziqondakalisa ngokwam ukuba ndingumgqiti.

19 Kuba mna ngomtêtô ndafa kumtêtô, ukuze ubom ndibudlele ku-Tîxo.

20 Ndibetêlwe emnqamlezweni no-Kristu; ayisendim-ke odla ubom, ngu-Kristu-ke oselesidla ubom kum; ubom-ke endibudlayo ngoku ndisenyameni ndibudlela ekukôlweni ku-Nyana ka-Tîxo owandităndayo, wazinikela ngenxa yam.

21 Andilutshitshisi ubabalo luka-Tîxo: kuba ubulungisa ukuba bungomtêtô, oku u-Kristu angaba wafumana wafa.

3 Ehlani! ma-Galati aswele ukuqonda, ngubanina oninyangileyo, ukuba ningayitâmbêli-nje inyaniso? ebetê-nje pâmbî kwamehlo enu u-Yesu Kristu wabâlwa wabêngezwa pâkatî kwenu ebetêlwa emnqamlezweni?

2 Nditânda ukukê ndiqonde kuni lendawo yodwa: Namamkela u-Moya emisebenzini yomtêtô, namamkela ezindabeni zokôlo, kusinina?

3 Ninje-na ukuswela ukuqonda? nakuba niqalē ku-Moya, ngoku nigqibela kwenyama-na?

4 Izinto ezinzima kangaka nafumana naziva-na? ukuba kanti benifumana nisenza.

5 Lowo ngoko unipâyo u-Moya, usebenza imisebenzi yamandla kuni, *ukwenza*

Digitized by Google

oko ngokwasemisebenzini yomtêtô, *ukwenza* ngokwasezindabeni zokôlo, kusinina?
6 Njengokuba u-Abraham wakôlwayo ngu-Tîxo, kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye.
7 Yazini ngoko ukuba abaselukôlweni, ngabo abo abangonyana baka-Abraham.
8 Isibâlo sibona-ke ngenx' engapâmbîli, ukuba u-Tîxo uyazigwebela intlanga ngokwaselukôlweni, sazishumayela ngenx' engapâmbîli indaba ezilungileyo ku-Abraham, *sisiti*: Ziya kusikelelelwa kuwe zonke intlanga.
9 Ngoko-ke abaselukôlweni bayasikelelwa ndawonye no-Abraham okôlwayo.
10 Kuba bonke abangabasemisebenzini yomtêtô bapântsi kwesiqalekiso; kuba kubâliwe *kwatîwa:* Baqalekisiwe bonke abangahlaliyo ezintweni zonke ezibâliweyo encwadini yomtêtô, ukuba bazenze.
11 Okokuba-ke akukô namnye ugwetyelwayo ngomtêtô kuye u-Tîxo, kuyabonakala; ngokuba lowo ulilungisa uya kudla ubomi obupûma elukôlweni.
12 Wona-ke umtêtô asingowaselukôlweni; utî, Umntu owazenzayo ezozinto uya kudla ubomi ngazo.
13 U-Kristu wasitênga wasikûlula esiqalekisweni somtêtô ngokwenziwa isiqalekiso ngenxa yetû; (kuba kubâliwe *kwatîwa:* Uqalekisiwe wonke umntu oxônywe emtîni);
14 Ukuze intsikelelo ka-Abraham ibe sezin-Tlangeni ngo-Kristu-Yesu, ukuze idinga lo-Moya silamkele ngalo ukôlo.

15 Bazalwana, nditêtâ ngokwabantu; kwa nowomntu umnqopîso ozinzisiweyo, akukô namnye uwutshitshisayo, atî mhlaumbî ongeze kuwo.
16 Enziwa-ke kuye u-Abraham amadinga, nakuyo imbêwu yakê; akatî nakuzo imbewu ngatî utêtâ ezininzi; usuka ngatî utêtâ nye, atî: Nakuyo imbêwu yakô, ngu-Kristu ke-lowo.
17 Ukutsho-ke nditî, Umnqopîso ozinzisiweyo ngenx' engapâmbîli ngu-Tîxo usingisele ku-Kristu, awunakupângwa igunya ngumtêtô owabakôyo emva kweminyaka engamakûlu omane anamanci matâtû, ukuze ulibângise idinga-elo.
18 Kuba ilifa-elo, ukuba lipûma emtêtweni, loba alisapûmi edingeni; ke yena u-Tîxo umbabale u-Abraham ngedinga.
19 Uyinto-nina ngoko umtêtô? Walekelwa ngenxa yezigqito, ukude ifike imbêwu-leyo yayibekwe ngedinga; wamiswa ngezitûnywa zezulu sisandla somlamleli.
20 Ke umlamleli akawamnye; u-Tîxo-ke yena mnye.
21 Umtêtô ngoko ucâsene-na namadinga ka-Tîxo? Nakanye! Kuba ukuba bekuwiswe umtêtô onakô ukudlisa ubomi, kuhleliwe-nje ngebupûme emtêtweni-lowo ubulungisa.
22 Ke sona isibâlo sisuke sazivalela ndawo-nye into zonke pântsi kwesono, ukuze idinga elipûma ekukôlweni ku-Yesu Kristu linikwe abakôlwayo.

23 Ngapâmbî-ke kokufika kokôlo, sasilindwa sipântsi komtêtô, sivalelelwe ndawonye ukôlo-olu beluza kutyilwa.
24 Ngoko-ke umtêtô waba ngosikâpela ku-Kristu, ukuze sigwetyelwe ngokwaselukôlweni.
25 Lwakuba lufikile-ke ukôlo, asibi saba pântsi kwamkâpeli.
26 Kuba nina nonke ningonyana baka-Tixo ngako ukukôlwa, niku-Kristu Yesu;
27 Kuba nina nonke, nabâptizelwayo ku-Kristu, namambâtâ u-Kristu.
28 Akusekô m-Yuda nam-Grike; akusekô kôboka nakûlulekileyo; akusekô ndoda nankazana; kuba nina nonke nimntumnye, niku-Kristu Yesu;
29 Ukuba-ke nina ningabaka-Kristu, niyimbêwu ka-Abraham ngoko, nendla-mafa ngokwedinga.

4 Nditî-ke indla-mafa ngexesha lonke engumntwana ayahluke nganto kumkônzi, nakuba iyinkosi yento zonke;
2 Ipântsi kwabagcini namagosa, kude kufike ixesha elimiswe ngapâmbîli nguyise.
3 Ngokunjalo natî, xenikweni besingabantwana, besingamakôboka apântsi kweziqalelo zehlabatî;
4 Litê-ke lakuzaliseka ixesha, u-Tîxo wamkûpâ weza u-Nyana wakê, otê wazalwa ngumntu oyinkazana, etê wazalelwa pântsi komtêtô;
5 Ukuze abatênge abakûlule abapântsi komtêtô, ukuze sikuzuze ukwenziwa onyana.
6 Ngokuba-ke ningonyana, u-Tîxo wamkûpâ u-Moya wo-Nyana wakê, weza ezintliziyweni zenu, edanduluka esitî, **Abâ,** Bawo!

Digitized by Google

7 Ngoko-ke akusengumkônzi, ungunyana; ukuba-ke ungunyana ukwayindla-nafa ka-Tîxo ngo-Kristu.

8 Kanti okunene oko naningamazi u-Tîxo, nanikônza kwabo ngemvelo bange tîxo;
9 Ngoku-ke, nakuba nimazile u-Tîxo, hayi kanye manditî, nakuba naziwe ngu-Tîxo, nenza nto-nina ukubuya niguqukele kwiziqalelo ezinge namandla, ezingenaluncedo, enitânda ukubuya nikônze zona ngokutsha?
10 Nimana nigcina imihla nenyanga namaxesha neminyaka.
11 Ndiyanoyikela, hleze ndibe ndifumane ndabulaleka ngenxa yenu.

12 Ndiyanikûnga, bazalwana, yibani njengam, ngokuba nam ndaba njengani; anindonanga nganto.
13 Niyazi-ke ukuba bekungenxa yokuswel'amandla kwenyama yam, ukunishumayeza kwam indaba ezilungileyo ngokokuqala:
14 Ukulingwa kwam okwakusenyameni yam anikwenzanga into enge nto, anikucekisanga nina nokukucekisa; nesuka nandamkela njengesitûnywa sika-Tîxo, njengo-Kristu Yesu ngokwakê.
15 Kwabe kuyinto-nina ngoko ukuziyolisa kwenu? kuba ndiyaninqînela, ukuba bekunokwenzeka ngenawaruyo amehlo enu, nandinika.
16 Ndisuke ndaba lutshaba lwenu-na-ke ngokutêtâ inyaniso kuni?
17 Bayanincekelela ngokunge kuhle; basuke batânde ukunivalela pândle, ukuze nibancekelele nani.
18 Kuble-ke ukuba kuncekelelwe ngamaxesha onke entweni entle, kunganeli ukuba-njalo, ndakuba ndikô kuni.
19 Bantwanana bam, endibuye ndanenimbâ ngabo, ade u-Kristu amiliswe ngapâkatî kwenu;
20 Benditânda-ke ukubakô kuni ngoku, ndilenze libe lilimbî ilizwi lam; ngokuba ndiyatîngaza ngani.

21 Ndixelelani, nina nitândayo ukuba pântsi komtêtô, aniwuvi-na umtêtô?
22 Kuba kubâliwe kwatîwa, u-Abraham waye nonyana ababini: omnye engowekôbokazana, omnye engowomfazi okûlulekileyo.
23 Waye okunene lowo wekôbokazana ezelwe ngokwenyama; kodwa lowo womfazi okûlulekileyo wayezelwe ngalo idinga.
24 Eziyintsonkota zona ezonto; kuba aba bayiyo iminqopîso emibini; omnye uvela entabeni ye-Sinayi, uzalela ebukôbokeni, ongu-Hagare ke wona lowo;
25 Kuba lonto ingu-Hagare yi-Sinayi intaba ekwelama-Arabi, elungelelene ne-Yerusalem yakaloku-nje, esebukôbokeni-ke nabantwana bayo.
26 Ke, yona epézulu i-Yerusalem ikûlulekile, engumâ wetû sonke leyo.
27 Kuba kubâliwe *kwatîwa*,
Yiba nemihlali, ludlolo lungazaliyo;
Gqabûka umemelele, wena unge nanimbâ;
Ngokuba baninzi abantwana besishiywa ngapézu kwabonendoda.
u-Yes. 54. 1.
28 Tîna-ke, bazalwana, ngokokuka-Isake, singabantwana bedinga.
29 Kusuke, kwa njengokuba wayesiti oko *owazalwa* ngokwenyama amtshutshise owazalwa ngoko-Moya, kwaba-njalo nakaloku.
30 Sitî-nina-ke sona isibâlo? Sitî, Likûpêle pândle ikôbokazana nonyana walo; kuba unyana wekôbokazana akasayi kuba ndla-mafa kunye nonyana wokûlulekileyo.
31 Ngoko, bazalwana, asingabantwana bekôbokazana tîna; singabowokûlulekileyo.

5 Yimani ngoko enkululekweni, atê u-Kristu wasikûlulela kuyo; nize ningabuye nibanjwe yi-dyokwe yobukôboka.

2 Niyabona, mna Paulos nditî kuni, ukuba nitê nalûka, u-Kristu akasokuninceda luto;
3 Ndipînda ndinqîna-ke kumntu wonke owalûkileyo, ukuba ungonetyala lokuwenza umtêtô upêla.
4 Nibângile nahlukana no-Kristu nina aba nigwetyelwayo emtêtweni, napâlala elubabalweni.
5 Kuba tîna ngo-Moya silinde kakûlu itêmbâ lobulungisa ngokwaselukôlweni.
6 Kuba kwabaku-Kristu Yesu akunamandla anto ukwaluka kwa nokungaluki, *into enamandla* lukôlo olusebenza ngothando.
7 Nibe nibaleka kakuhle; ngubanina o-

Digitized by Google

suke wanitîntela ukuba ningayitâmbêli inyaniso?
8 Ololoyiseko lwenu alupûmi konibizayo.
9 Igwele elincinane liyayibilisa intlama ipêla.
10 Mna ndikôlosekile malunga nani e-Nkosini, ukuba aniyi kucinga nto yimbî; ke onikâtâzayo uya kulutŵala ugwebo, nokuba ngongubani.
11 Mna-ke, bazalwana, ukuba ndingaba ndisavakalisa ulwaluko, ndisatshutshiselwa-nina? singaba sibângisiwe-nje ngoko isikûbekiso-eso somnqamlezo.
12 Akwaba bangazinqumla nokuzinqumla abaniqungaqungayo.

13 Kuba nina nabizelwa enkululekweni, bazalwana; kodwa-ke musan' ukutî ukuyipâtâ inkululeko-leyo nivulel' inyama itûba; manisuke ngalo utândo nikônzane.
14 Kuba wonke umtêtô uzaliswe ngazwi linye, ngeli litî, Uz'ulutânde umelwane lwakô ngoko uzi*tânda* ngako.
15 Ukuba-ke niyafenyana, nidlane, lumkani ukuba ningagqitywa omnye ngomnye.

16 Kekaloku nditî, Hambâni ngoko-Moya, naningasayi kutî-ke niyizalise inkanuko yenyama.
17 Kuba inyama ikânuka ngokucâsene no-Moya, u-Moya-ke ukânuka ngokucâsene nenyama; ezonto-ke zipâmbêne, ukuze ningazenzi izinto enisukuba nizitânda.
18 Ukuba-ke nikôkelwa ngu-Moya, aningapântsi komtêtô.
19 Iyabonakala-ke yona imisebenzi yenyama eyilé: Ufexezo, umbulo, ukuncôla, ubufeletyo,
20 Ukubusa kwizitîxo, ukukâfula, intiyo, inkani, amakŵele, imisindo, amayelenqe, imbâmbâniso, izahlukano,
21 Omona, okubulala, okunxila, indywala, nezinto ezinjengezo; endinixelelayo ngenx' engapâmbîli, njengokuba besendinixelele kade, ukuba abazenzayo izinto ezinjalo abayi kubudla ilifa ubukumkani buka-Tîxo.
22 Ke sona eso-Moya isiqâmo lutândo, uvuyo, uxolo, ukuzeka kade umsindo, ububele, ukulunga, intembêko, ubulali, ukuzeyisa;
23 Akukô mtêtô ucâsene nezinto ezinjalo.
24 Kekaloku abo-ke baka-Kristu, inyama bayibetêle emnqamlezweni kunye neminqweno nenkanuko zayo.

25 Ukuba sidla ubomi ngoko-Moya, masihambê nokuhambâ kwangoko-Moya.
26 Masingabi ngabozuko olulambâtâyo, sitêlekisana simonelana.

6 Bazalwana, ukuba umntu utê waqutyulwa nokuqutyulwa sisipôso esitîle, nina bangabo-Moya, mlulekeni onjalo ninomoya wobulali; uzilumkela ukuba ungahendwa nawe.
2 Twalisanani ubunzima, ize ngokunjalo niwuzalise umtêtô ka-Kristu;
3 Kuba umntu ukuba uba uyinto, enge nto, uyazikôhlisa.
4 Elowo-ke makawucikide owakê umsebenzi, wayeya kwandula ukuba neqâyiya ngokwakê yedwa, angabi nalo ngomnye;
5 Kuba elowo uya kuwutŵala owakê umtŵalo.

6 Makatî-ke lowo ufundiswayo ilizwi abelane nalowo ufundisayo ngento zonke ezilungileyo.
7 Musan' ukulahlekiswa; u-Tîxo yena asingowokuhlekisa. Kuba into atê wahlwayela yona umntu, wovuna kwa yona;
8 Ngokuba lowo uhlwayelela eyakê inyama wovuna ukonakala ngokwasenyameni; lowo uhlwayelela u-Moya-ke wovuna ubomi obungunapâkade ngokwase-Moyeni.
9 Ke ekwenzeni okulungileyo masingetî amandla; kuba sovuna ngexesha elililo ukuba asityafi.
10 Njengoko singatî sibe netûba, masisebenze okulungileyo kubo bonke, ngokukodwa-ke kwabendlu yokôlo.

11 Bonani, ukuba kukûlu kokubâla endinibâlele ngako ngesam isandla.
12 Bonke abatânda ukuba babe nesimilo esihle ngokwangapândle, abo-ke baninyanzela ukuba nalûswe; benzela-nje kodwa ukuze bangatshutshiswa ngawo umnqamlezo ka-Kristu.
13 Kuba kwa nabo balukayo bengawubambî umtêtô; batânda ukuba nalûswe, ukuze baqâyise ngeyiyeyenu inyama.
14 Mna-ke mandingakê ndiqâyise nganto, inge nguwo umnqamlezo we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, ekutê ngaye ihlabatî

Digitized by Google

kum labetêlwa emnqamlezweni, ndatî nam kwihlabatî ndabetêlwa emnqamlezweni.

15 Kuba kwaba ku-Kristu Yesu akunamandla anto ukwaluka nokungaluki; into enamandla sisidalwa esitsha.

16 Bonke-ke abahambâ ngalomgca, makube luxolo nenceba kubo-ke abangama-Sirayeli ka-Tîxo.

17 Elokugqiba ndîtî, Makungabikô namnye undixâmlayo; kuba mna impawu ze-Nkosi u-Yesu ndizipêtê ngomzimbâ wam.

18 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nomoya wenu, bazalwana. Amen.

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-EFESO.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu ngokutânda kuka-Tîxo *ubâlela* abangcwele abase-Efeso, abakôlwayo ku-Kristu Yesu, *utî*,

2 Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

3 Makabongwe u-Tîxo u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, lowo wasisikelelayo ngentsikelelo zonke zo-Moya kwezasezulwini indawo siku-Kristu:

4 Njengokuba watî ngapâmbî kokusekwa kwehlabatî wasinyulela kuye, ukuba sibe ngcwele, singabi nasipâko pâmbî kwakê;

5 Otê ngokusitânda wasimisela ngenx' engapâmbîli, ukuba senziwe onyana kuye ngokwakê ngo-Yesu Kristu, ngokwenkolelo yokutânda kwakê,

6 Ukuze kudunyiswe uzuko lobabalo lwakê, awasibabala ngalo sikuye lo utândiweyo;

7 Esinayo sikuye inkululeko ngokuhlaulelwa ngegazi lakê, ukuxolelwa-ke kwezipôso zetû ngokobutyebi bobabalo lwakê.

8 Awalupûpûmisela kutî, lunabo bonke ubulumko nokuqonda;

9 Esazisile imfihlelo yokutânda kwakê ngokwenkolelo yakê, awayimisayo ngokwakê,

10 Ebêkise ekuhleleni aya kuhlela ngako, akuzaliseka amaxesha, ukuba azihlanganisele zonke izinto kuye u-Kristu, ezisemazulwini kwa nezisemhlabeni;

11 Ewe kuye lo sitê sikuye sadla ilifa; simisiwe ngenx' engapâmbîli ngokwengqibo yozisebenzayo zonke ezonto ngokwecebo lokutânda kwakê;

12 Ukuze sibe ngabokudumisa uzuko lwakê, tîna aba satî ngenx' engapâmbîli satêmbêla kuye u-Kristu:

13 Enitê nikuye nani, nakuliva ilizwi lenyaniso, indaba ezi zilungileyo zokusindiswa kwenu; enitê, nakukôlwa nokukôlwa kuye, natywinwa naqiniselwa ngaye u-Moya Oyingcwele wedinga,

14 Osisinyaniso selifa letû, ukude kugqibelele ukukûluleka ngentlaulelo kwabo bazinqobo kuye, ukuba kudunyiswe uzuko lwakê.

15 Ngenxa yoko nam, ndakuba ndikuvile okwenu ukukôlwa yi-Nkosi u-Yesu, nokubatânda kwenu bonke abangcwele,

16 Andipêzi ukubulela ngenxa yenu, ndinikumbula emitândazweni yam,

17 Ukuba u-Tîxo we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, u-Yise wozuko, aninike umoya wobulumko wokunityîlela nimazi kakuhle;

18 Nikânyiselwe amehlo engqondo, ukuze nilazi into eliyiyo itêmbâ lobizo lwakê nento obuyiyo ubutyebi bobuqaqauli belifa lakê pâkatî kwabo abangcwele;

19 Nento obuyiyo ubukûlu obuncamisileyo bamandla akê abêkisele kutî tîna bakôlwayo, angokokusebenza kokuqinisela kokomelela kwakê,

20 Awakusebenza kuye u-Kristu, eku-

Digitized by Google

mvuseni kwakê kwabafileyo, waza wamhlalisa ngasekunene kwakê kwezasezulwini indawo,

21 Ngapêzu kwalo lonke ulaulo, negunya, namandla, nobukôsi, nalo lonke igama elikânkanywayo, kunge kôna kwelipâkade lodwa, kunakwelo lizayo;

22 Waza into zonke wazitôbela pântsi kwenyawo zakê, wammisa ukuba abe yintloko pêzu kwento zonke kulo ibandla,

23 Lona lingumzimbâ wakê ukuzala-ke oko kozizalisayo into zonke ngako konke.

2 Nani, *unidlise ubomi* nifile-nje zizipuso nazizono,

2 Enanifudula nihambâ kuzo ngokwesimo selihlabatî, ngokompâtî wegunya lesibâkabâka, womoya lo usebenzayo ngoku kubo abangevayo;

3 Esasifudula natî sonke sihleli pâkatî kwabo ezinkanukweni zenyama yetû, sisenza ukutânda kwenyama nokwengcinga, saye ngemvelo sikwangabantwana bengqumbô njengabanye abo;

4 Ke u-Tîxo, esityebi-nje ngenceba, utê ngenxa yotândo lwakê olukûlu awasitânda ngalo,

5 Tina sifile-nje zizipôso, wasidlisa ubomi ndawo-nye no-Kristu, (nisindiswe ngokubabalwa,)

6 Wasivusa naye, wasihlalisa naye kwezasezulwini *indawo*, siku-Kristu Yesu;

7 Ukuze ubutyebi obuncamisileyo bobabalo lwakê abubonakalalise emapâkadeni azayo ngokusenzel' ububele ngo-Kristu Yesu.

8 Kuba nisindiswe ngokubabalwa-oko ngalo ukôlo-olu; nako oko kungapûmi kuni, kusisipô sika-Tîxo;

9 Akupûmi misebenzini, hleze kubekô bani oqâyisayo.

10 Kuba tîna singumsebenzi wakê, sidalelwe ku-Kristu Yesu, ukuze senze imisebenzi elungileyo awayilungisayo u-Tîxo ngenx' engapâmbîli, ukuze sihambê kuyo.

11 Ngoko ndîtî, Kûmbûlani, ukuba nina, enibe nifudula nizin-Tlanga ngokwenyama, kusitîwa, Ningabangalukileyo ngabo kutîwa, Ngabolwaluko olwenziwe ngezandla enyameni,

12 Okokuba ngeloxesha nibe ninge na-Kristu, ningazani nawo umzi wakwa-Sirayeli, ningabasemzini kuyo iminqopîso yalo idinga, ninge natêmbâ, ninge na-Tîxo ehlabatîni;

13 Kengoku ngo-Kristu Yesu nina, enibe nifudula nikude, nitê naba kufupî ngalo igazi lika-Kristu.

14 Kuba nguye oluxolo lwetû, yena utê izinto zombîni wazenza zaba nye, walucîtâ-ke udonga olupâkatî lotângo, ubumpîke obo,

15 Akuba ewubângisile, esenyameni yakê, umyalelo wemitêtô esemimiselweni; ukuze abo babini abadalele kuye ngokwakê, babe mntu mnye mtsha, esenza-ke uxolo;

16 Nokuze abaxolelanise no-Tîxo abo babini babe mzimbâ mnye ngawo umnqamlezo, ebubulalele kuwo ubumpî-obo;

17 Weza-ke washumayela indaba ezilungîleyo zoxolo kuni abo bakude nakwabakufupî;

18 Ngokuba kungaye ukungeniswa kwetû sobabini si-Moya mnye kuye u-Yise.

19 Ngoko-ke anisengabasemzini nabapâmbûkeli, ningamakâya kubo abangcwele, ningabendlu ka-Tîxo,

20 Nakêlwe pêzu kwelityе lesiseko sabapostile naba-profeti, ingu-Yesu Kristu ngokwakê ilityе lembômbô;

21 Esitî kuye sonke isakîwo sihlangene kakuhle, sikûle, sibe yi-tempile engcwele e-Nkosini;

22 Enitî nani nakêlwe ndawo-nye kuye, ukuze nibe yindawo yokuhlala ka-Tîxo ngaye u-Moya.

3 Ngenxa yoko, mna Paulos, mbânjwa ka-Kristu Yesu ngenxa yenu zin-Tlanga—

2 Ukuba-ke nikuvile ukugosisa kobabalo luka-Tîxo endanibabalelwa ngalo.

3 Okokuba wandazisa imfihlelo leyo ngokotŷilelo, njengoko sendibâle kade ngokufutshane;

4 Enotî ngoko nakulesa, nibe nokukuqiqa okwam ukuyiqonda imfihlelo ka-Kristu;

5 Ababengatânga kuzimbî izizukulwana bayaziswe onyana babantu, njengoko bayitŷilelweyo ngoku aba-postile bakê abangcwele naba-profeti bakê ngaye u-Moya;

6 Eyokuba in-Tlanga zizindla-mafa natî, zikwamzimbâ mnye natî, zingamahlulelana natî ngedinga lakê, sikuye-nje u-Kristu ngazo indaba ezilungileyo,

7 Endaba ngumlungiseleli wazo ngokwe-

Digitized by Google

sipô sobabalo luka-Tixo, endababalwa ngaso ngokokusebenza kwamandla akê.

8 Mna lo, unguyena mncinanana kubo bonke abangcwele, ndababalwa ngolobabalc lokuba ndishumayele pâkatî kwen-Tlanga indaba ezilungileyo zobutyebi obungalandekiyo buka-Kristu;

9 Ndibakânyisele bonke bayibone into obuyiyo ubudlelane bemfihlelo, ebifihliwe kwasemapâkadeni ikuye u-Tixo, owazidalayo zonke izinto ngo-Yesu Kristu;

10 Ukuze ngoku ozilauli nomagunya, abakwezasezulwini indawo, babaziswe ngalo ibandla ubulumko buka-Tixo, obuzintlobo ezininzi,

11 Ngokokwengqibo yakê yasemapâkadeni awayenzayo ku-Kristu Yesu, i-Nkosi yetû;

12 Esinakô sikuye ukungafihlisi kwetû nokungeniswa *kuye* sikôlosile, ngokukôlwa kuye.

13 Kungoko ndicelayo ukuba ningetî amandla zimbândezelo zam ezingenxa yenu, zona ezi ziluzuko lwenu.

14 Ngenxa yoko ndiyawagoba amadolo am kuye u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu,

15 Ebizwe ngaye yonke imizalwane esemazulwini nesemhlabeni,

16 Ukuba aninike, ngokobutyebi bozuko lwakê, ukomelezwa ngamandla ngaye u-Moya wakê ngokusingisele emntwini ongapâkatî;

17 Ukuba u-Kristu ahlale ngalo ukôlo ezintliziyweni zenu, nendele nisekelwe elutândweni,

18 Ukuze nitî, ndawonye nabo bonke abangcwele, nibe nakô kanye ukubuqiqa into obuyiyo ububanzi nobude, nobunzulu nokupâkama *kwalo*,

19 Kwa nokulwazi utândo luka-Kristu oluncamise ukwazi; ukuze niye nizala ngako konke ukuzala kuka-Tixo.

20 Kuye-ke onakô ukwenza okungapézu kwento zonke ngokugqitiseleyo kakûlu, ngapézu kwesikucelayo nesinokuqiqa, ngokokwamandla asebenzayo ngapâkatî kwetû,

21 Kuye malubekô uzuko ebandleni eliku-Kristu Yesu, kuse kuzo zonke izizukulwana zalo ipâkade lasemapâkadeni. Amen.

4 Ndiyanivuselela ngoko, mna mbanjwa wase-Nkosini, ukuba nihambê ngokulufaneleyo ubizo enabizwa ngalo,

2 Ninako konke ukutôbeka kwentliziyo nobulali, ninokuzeka kade umsindo, ninyamezelana nisenziwa lutândo,

3 Nikûtâlele ukubugcina ubunye bo-Moya ngentambô yoxolo.

4 Mnye umzimbâ, mnye no-Moya, njengokuba nabizwayo nokubizwa nanatembâ linye lobizo lwenu;

5 Inye i-Nkosi, lunye ukôlo, lunye ubâptizo,

6 Mnye u-Tixo u-Yise wabo bonke, opézu kwabo bonke, okubo bonke, opâkatî kwenu nonke.

7 Ke elowo kutî wababalwa ngokomlinganiso wokupâ kuka-Kristu.

8 Kungoko atî,

Enyukê waya enyangweni, watîmbâ intimbô,

Wabapâ izipô abantu. In-Dum. 68. 18.

9 Oko-ke kutî wenyuka kuyinto-mna, kunge kwa kukutî wehla nokuhla kuqala waya kwezona zisezantsi indawo zomhlaba?

10 Owehlayo ikwa ngulowo wenyukayo waya ngapézu kwawo onke amazulu, ukuze azalise zonke izinto.

11 Waza kwa yena wabapâ abanye ukuba babe ngabapostile, abanye babe ngabaprofeti, abanye babe ngabashumayeli bendaba ezilungileyo, abanye babe ngabalûsi nabafundisi,

12 Ukuze abangcwele basulungekiselwe umsebenzi wolungiselelo, ukwakîwa-ke komzimbâ ka-Kristu;

13 Side tîna sonke sifike kubo ubunye benkolo, nobokumazi okuzeleyo u-Nyana ka-Tixo, ebudodeni obupêleleyo, emlinganisweni wobukûlu bokuzala kuka-Kristu;

14 Ukuze singabi saba zintsana, silatyuzwa sipêtshetwa ngumoya wonke wemfundiso, ngokunyanga kwabantu, ngobuqêtseba obusemaqîngeni olahlekiso;

15 Sitî-ke, sinyanisekile elutândweni, sikûlele, ngezindawo zonke, kuye lo uyintloko u-Kristu,

16 Ekupûma kuye ukutî, umzimbâ wonke uhlangane kakuhle, ubandakanywe ngako konke ukuxomekelelana *kwamalungu* okuluncedo okusebenza ngomlinganiso wendawo zonke ngazinye ukûlise umzimbâ, use ekuzakêni ngotândo.

Digitized by Google

17 Kengoko, oku ndiyakutêtâ, ndikunqîne ndise-Nkosini, ukutî, maningabi sahambâ njengoko zihambâ ngako nezinye in-Tlanga, ngamampunge engqiqo yazo,
18 Zenziwe mnyama ingqondo, zingazani nobomi buka-Tixo ngenxa yokungazi okukuzo, ngenxa yokuqaqadeka kwentliziyo zazo;
19 Abatê bona bengasaziva, bazinikela ebufeletyweni, ukuze basebenze ukuncôla konke, bebawa.
20 Ke nina animfundanga ngokunjalo u-Kristu,
21 Ukuba kambê ningaba nimvile, nafundiswa nikuye, njengoko inyaniso ikuye u-Yesu,
22 Yokuba niti ngakwihambô yangapâmbili nimlahle umntu omdala owonakaliswayo ngokokwenkanuko zokulukuhla,
23 Nihlaziywe-ke kuwo umoya wengqiqo yenu,
24 Nimambâtê umntu omtsha, otê ngokuka-Tixo wadalelwa ebulungiseni nasebungcweleni benyaniso.

25 Kungoko-ke nditî, lahlani ubuxoki, têtâni inyaniso elowo nommelwane wakê; ngokuba singamalungu omnye elelomnye.
26 Qumbâni, ningoni; ilanga malingade litshone nicapûka;
27 Kananjalo musan'ukumkwelela indawo umtyoli lo.
28 Lowo ubâyo makangabi sêba, kanyeke makabulaleke esebenza okulungileyo ngezandla *zakê*, ukuze abe nakô ukwabela osweleyo.
29 Makungapûmi nanye intetô ebolileyo emlonyeni wenu; mayibe yesukuba ilungele ukuxuma oko kuluncedo, ukuze ibabale abevayo.
30 Kanjalo musan' ukumenza buhlungu u-Moya Oyingcwele ka-Tixo, enatî kuye natywinwa naqiniselelwa imini yentlaulelo.
31 Mabukweleliswe kuni bonke ubufara, nomsindo, nengqumbô, nengxolo, nonyeliso ndawo-nye nolunya lonke.
32 Ke nina yibani nobubele omnye komnye, nibe nemfesane kakûlu, nixolelane, njengokuba naye u-Tixo wanixolelayo eku-Kristu.

5 Ngoko yibani ngabaxelisa u-Tixo, ngokwabantwana abazintânda;
2 Nihambê elutândweni, kwa njengokuba naye u-Kristu wasitândayo, wazinikela ngenxa yetû ukuba abe ngumnikelo nedini kuye u-Tixo, ukuba abe livumbâ elimnandi.
3 Ke umbulo, nako konke ukuncôla, nokubawa makungakê kukânkanywe pâkati kwenu, njengoko kubafaneleyo abangcwele,
4 Kwa namanyala, nentetô yobuyatâ, nobuhiba, izinto ezo ezingafanelekileyo; makube kokukôna ninemibulelo.
5 Kuba oku nikwazi, ukuba wonke umenzi wombulo, nomntu oncôlileyo, nolibawa engumkônzi wezitîxo, akanalifa ebukumkanini buka-Kristu no-Tixo.
6 Makungabikô namnye unilukuhlayo ngamazwi alambâtâyo; kuba iza ngenxa yezozinto ingqumbô ka-Tixo pêzu kwabangevayo.
7 Ngoko musan' ukuba ngamahlulelana nabo.
8 Kuba nina naye nifudula nibumnyama, ke ngoku nikukukânya nise-Nkosininje; hambani-ke ngokwabantwana bokukânya;
9 Kuba sona isiqâmo so-Moya sikuko konke ukulunga nobulungisa nenyaniso;
10 Nicikida ukuba yinto-nina ekôlekileyo kakuhle kwi-Nkosi.
11 Kanjalo musan' ukuba nabudlelane ngemisebenzi enge nasiqâmo yobumnyamo; makube kukôna niyohlwayayo.
12 Kuba izinto ezenziwa ngabo emfihlekweni kulihlazo nokuzitêtâ.
13 Ke zonke ezizinto zakohlwaywa ziyabonakalaliswa kukukânya; kuba konke okubonakalaliswayo kukukânya.
14 Kungoko atî, Vuka wena uleleyo, uvuke kwabafileyo, u-Kristu wokukânyisela.

15 Kângelani ngoko, ukuba ningatî-nina, ukuze kucokiseke ukuhambâ kwenu; ningabi njengabaswele ubulumko, yibani njengezilumko;
16 Nizongela ixesha-eli, ngokuba lemihla ayindawo.
17 Ngenxa yoko musan' ukuba zintsweli-kuqonda, yibani ngabakuqondayo into okuyiyo ukutânda kwe-Nkosi.
18 Kanjalo musan' ukunxila yi-wayini, ekukôyo kulonto ukuzibûbisa; manizaliswe ngu-Moya;
19 Nitêtâ omnye nomnye ngendumiso nengoma nezango ezizezomoya, nivuma

Digitized by Google

nibetâ uhadi entliziyweni yenu kuyo i-Nkosi,
20 Nimana nibulela ngenxa yento zonke ngegama le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu kuye u-Tîxo u-Yise,
21 Nilulamelana ngokoyika u-Tîxo.

22 Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, ngokokululamela i-Nkosi;
23 Ngokuba indoda-le iyintloko yomfazi, njengokuba naye u-Kristu eyintloko yebandla-eli; waye yena ngokwakê engumsindisi wawo umzimbâ.
24 Ke, kwa njengokuba ibandla-eli limlulamela u-Kristu: mabatî ngokunjalo nabafazi *bawalulamele* awabo amadoda entweni zonke.
25 Nina madoda, batândeni abafazi benu, njengokuba naye u-Kristu walitândayo ibandla, wazinikela ngenxa yalo;
26 Ukuze alingcwalise, elihlambûlule ngokuhlambâ kwamanzi ngelizwi;
27 Ukuze alimise pâmbî kwakê linobuqaqauli, lilibandla elinge nabala, elinge namibimbî, nanye into enjalo, ukuze libe ngcwele, lingabi nasipâko.
28 Ngoko amelwe amadoda ukubatândaabawo abafazi, njengokuba beyimizimbâ yawo. Lowo umtândayo umkakê, uyazitânda;
29 Kuba akukô namnye owakê wayitîya eyakê inyama; usuke ayondle ayigcine, njengokuba nâyo i-Nkosi ilenje njalo ibandla;
30 Ngokuba singamalungu omzimbâ wayo, singabenyama yayo, singabamatâmbô ayo.
31 Ngenxa yoko-ke umntu womshiya uyise nonina, anamatêle kuye umkakê, baze abo babini babe nyama nye.
32 Lomfihlelo inkulu; ke-mna nditêtâ ndisingisele ku-Kristu, ndisingisele nakulo ibandla.
33 Kodwa-ke manitî nani ngabanye elowo amtânde umkakê, njengoko azitânda ngako; umfazi-ke makayoyike indoda.

6 Nina bantwana, baveni abazali benu ngokwabase-Nkosini; kuba oko kubulungisa.
2 Beka uyihlo nonyoko; wona lowo ngumtêtô wokuqala onedinga;
3 Ukuze kulunge kuwe, ube nexesha elide emhlabeni.
4 Nani boyise, musan' ukubacapûkisa abantwana benu; bondleleni ekuqeqesheni nasekululekeni kwe-Nkosi.

5 Nina bakônzi, baveni abazinkosi zenu ngokwenyama, ninokuzoyikela nokugubâ, ninge nakumbî ezintliziyweni zenu, ninge niva u-Kristu.
6 Ukukônza kwenu makungabi ngokweliso ngatî nitômalalis'abantu; makube ngokwabakônzi baka-Kristu, nikwenza ukutânda kuka-Tîxo ngokwasempêfumlweni,
7 Nikônza ngentumekelelo, kukuyo i-Nkosi, kunge kubo abantu;
8 Nisazi-nje ukuba into esukuba ilungile, atê ulowo wayenza, uya kwamkeliswa kwa yona yi-Nkosi, nokuba ungumkônzi, nokuba ungokûlulekileyo.
9 Nani bazinkosi zabo, yenzani kwa ezozinto kubo; nikuyeke ukusongela; nisazi-nje ukuba kwa eyabo neyenu i-Nkosi isemazulwini, nokuba akukô kukêta buso kuyo.
10 Elokugqiba, bazalwana bam, nditî: Yomelelani e-Nkosini, nasekuqineni kokomelela kwayo.
11 Xôbani sonke isirweqe sika-Tîxo, ukuze nibe nakô ukumisa nibucâse ubuqinga bo-Mtŷoli;
12 Ngokuba umzamo wetû asingowokuzamana negazi nenyama; ngowokuzamana nazo izilauli, nawo amagunya, nazo izipâtâ-hlabatî zobumnyama balo elipâkade, nayo imikôsi yomoya abakohlakeleyo kwezasezulwini indawo.
13 Ngenxa yoko, qubulani sonke isirweqe sika-Tîxo; ukuze nibe nakô ukucâsa ngomhla ombî, nitî nikufezile konke nime nimi.
14 Misani-ke ngoko, nibînqe inyaniso esinqeni senu, ninxibe isigcina-sifuba sobulungisa,
15 Nibopê ezinyaweni zenu ulungiselelo lwendaba ezilungileyo zoxolo;
16 Ngapêzu kwezozinto zonke qubulani ikâka lokôlo, lona notî ngalo nibe nako ukuzicima zonke intolo ezinomlilo zake ongendawo;
17 Namkele isigcina-ntloko sosindiso, nalo irele lo-Moya, elililizwi lika-Tîxo;
18 Ngako konke ukutândaza nokukûnga nitândaza amaxesha onke nikuye u-Moya; niyipâpâmele lonto ngako konke ukuzingisa nokukûnga ngenxa yabo bonke abangcwele,

Digitized by Google

19 Nangenxa yam, ukuba ndipíwe ilizwi ekuwuvuleni umlomo wam, ndize ndazise ngokungafihlisiyo imfihlelo yendaba-ezi zilungileyo,
20 Ekungenxa yazo endisisigidimi esisezintanjeni, ukuze ndingafihlisi ukutêtâ kuzo, njengoko ndimelwe kukutêtâ ngako.

21 Kekaloku, ukuze nani nikwazi okukokwam ukuba ndinjanina, wonazisa konke u-Tikiko, umzalwana oyintânda, umlungiseleli otêmbêkileyo ngokwase-Nkosini;
22 Endimtûme lento kuni, ukuze nizazi indaba zetû, nokuze azitûtûzele intliziyo zenu.

23 Makube luxolo kubo abazalwana, notândo ndawonye nokôlo oluvela ku-Tixo u-Yise, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
24 Ubabalo malube nabo bonke abayitândayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu ngokunge nakupêla. Amen.

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABAKWA-FILIPU.

ISIQENDU I.

U-PAULOS no-Timoti, abakônzi baka-Yesu Kristu, *babâlela* bonke abangcwele, abaku-Kristu Yesu, abakwa-Filipu, ndawonye nabaveleli [1] nabalungiseleli,[2] batî,
2 Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
3 Ndihlala ndibulela kuye u-Tîxo wam ekunikûmbûleni kwam konke,
4 (Ekukûngeni kwam konke ndikûnga ngenxa yenu nonke, ndivuyile,)
5 Ngenxa yobudlelane benu obubêkisele kuzo indaba ezilungileyo kususela kwimini yokuqala kude kube ngoku;
6 Ekubeni ndikôlose ngayo lento yokuba lowo wawuqalayo ngapâkatî kwenu umsebenzi olungileyo, wowufeza ide ibe yilomini ka-Yesu Kristu;
7 Njengokuba ndilungisa ukucinga oko ngani nonke, ngenxa yokuba nikum entliziyweni, nitê nasezintanjeni zam nasekuzipênduleleni kwam nasekuziqiniseni kwam indaba ezilungileyo, nangamadlelana nam ngobabalo-olu nina nonke.
8 Kuba u-Tîxo ulinqîna lam lokuba kukûlu ukunilangazelela kwam nonke ndinemfesane zika-Yesu Kristu.
9 Nako oku ndiyakutândazela, ukuba utândo lwenu lube kukôna lupûpûma ngokupûpûma ukwazi okukûlu, nako konke ukuqonda,
10 Ukuze nizicikide izinto ezizincamisa, ukuze nibe nokusulungeka ningabi nasiwo nide nise kwimini ka-Kristu;
11 Nizele ziqâmo zobulungisa ezingo-Yesu Kristu, nikângelise ekuzukiseni nasekudumiseni u-Tîxo.

12 Kekaloku, ndinga ningazi, bazalwana, ukuba izinto ezindihleleyo zibetê kwa kukôna zihambâyo indaba ezilungileyo;
13 Ngokokude intambô zam ezi zibonakale kuyo yonke indlu yomkôsi nakwabanye bonke, ukuba ziku-Kristu;
14 Baze abona bazalwana baninzi batî bese-Nkosini bekôlose ngentambô zam ezi, babe kukôna nobuganga bokulitêtâ ilizwi benge nakoyika.
15 Okunene abatîle bamvakalisa u-Kristu ngomona nenkani, abanye-ke bamvakalisa ngokokuzitândela.
16 Abeyelenqe-abo bamazisa u-Kristu ngokunge nyulu, beba bayakongezelela imbândezelo kwintambô zam;
17 Ke aba benziwa lutândo *bamazisa u-Kristu* besazi ukuba ndimiselwe ukuzipêndulela indaba ezilungileyo.
18 Ibe yini-ke? noko kunjalo ngendlela

[1] U-Bishop. [2] Ama-Dikoni.

Digitized by Google

zonke, nokuba kungokunyŵalaza, nokuba kungenyaniso kwaziswa u-Kristu; ndiyavuya kuko oko, ndaye ndisaya kuvuya.

19 Kuba ndiyazi ukuba oku kuya kupûmelela ekusindisweni kwam ngako ukundikûngela kwenu, nangoncedo lo-Moya ka-Yesu Kristu,

20 *Kuye* ngokulangazelela nangokutêmbâ kwam, ukuba andikudaniswa nganto; uya kusuka ngako konke ukungafihlisi, njengokwamaxesha onke, atî nangoku enziwe mkûlu u-Kristu emzimbêni wam, nokuba-na kungobom, nokuba kungokufa.

21 Kuba kum mna ukudla ubomi kungu-Kristu, ukufa kuyinzuzo.

22 Ke ukuba ukudla ubomi ndisenyameni kusisiqâmo somsebenzi kum oko, intoke endonyula yona, andiyazi.

23 Kuba ndixinekile pâkatî kwezinto ezimbîni: ndinawo umnqweno wokunga ndinganduluka, ndiye kuba no-Kristu; kuba kokôna kulungileyo kakûlu oko;

24 Kodwa ukuhlala ndihleli ndisenyameni, yeyona nto ifunekayo ngenxa yenu.

25 Kananjalo ndikôlose ngoko-nje, ndiyazi ukuba ndiya kuhlala, ndihlale ndihleli nani nonke, ukuze nihambêle pâmbîli, nivuyiswe lukôlo;

26 Ukuze iqâyiya lenu ku-Kristu Yesu ngam liye lisanda ngokwanda, ngako ukubuye ndibekô kuni.

27 Kodwa-ke ukuhlala kwenu makube kokuzifaneleyo indaba ezilungileyo zika-Kristu, ukuze nokuba ndifikile ndanibona, nokuba andifikanga, ndizive indaba zenu, ukuba nimi moyeni mnye, ngampêfumlo mnye, nisilwela inkolo yendaba ezilungileyo,

28 Ningotûswa nantweni nye ngabo bacâsayo; into ke-leyo engumbonakalaliso wentshabalalo okunene kubo, kodwa *ingumbonakalaliso* wosindiso kuni, kube-ke oko kuvela ku-Tîxo;

29 Ngokuba nababalwa ukutî, ngenxa ka-Kristu, ninganeli kukôlwa kuye, nababalwa nokuva ubunzima ngenxa yakê,

30 Ninawo umzamo onjengalowo nawubonayo kum, nangoku niwuvayo ukuba ukô kum.

2 Ukuba-ke ngoko kukô uyalo ku-Kristu, ukuba kukô ukûzo lotândo, ukuba kukô ubudlelane bo-Moya, ukuba kukô imfesane nemfefe,

2 Luzaliseni uvuyo lwam, ukuze nicinge nto nye, ninalutândo lunye, ninampêfumlo mnye, nicinga nto nye;

3 Ningenzi nanye into ngokweyelenqe nangokozuko olulambâtâyo; yitîni ngokutôbeka kwentliziyo omnye ambalele omnye ekutîni nguyena wongamileyo kunaye.

4 Makangatî elowo axûnele kwezakê izinto zodwa, elowo makaxûnele nakwezabanye.

5 Yibani nalengcinga kuni waye nayo kuye u-Kristu Yesu:

6 Yena watî, esebumeni buka-Tîxo, akatî ukulingana kwakê oku no-Tîxo kulixôba,

7 Usuke wazihluba, watâbatâ ubume bomkônzi, enziwe wafana nabantu;

8 Watî ngemo efunyenwe enjengomntu, wazitôba waba ngolulamileyo wada wesa ekufeni, ukufa-ke kwasemnqamlezweni.

9 Kungoko atê u-Tîxo wampâkamisa kakûlu, wamnika igama elingapêzu kwawo onke amagama;

10 Ukuze ngegama lika-Yesu onke amadolo agobe, awabasezulwini nawabasemhlabeni nawabapântsi komhlaba,

11 Zitî zonke ilwimi zixele, ukuba u-Yesu Kristu yi-Nkosi, kuze kuzukiswe u-Tîxo u-Yise.

12 Ngoko-ke, zintânda zam, njengokuba nahlala ninokuva, lusebenzeni nilufeze olwenu usindiso ninokuzoyikela nokungcangcazela; ningangi nenje njalo xa ndikôyo kodwa, manibe kukôna nenje njalo xa ndingekôyo;

13 Kuba ngu-Tîxo okusebenzayo ngapâkatî kwenu ukutânda-oko kwa nokusebenza-oko ngenxa yenkolelo *yake*,

14 Izinto zonke zenzêni ninge nakufota, ninge nakutândabuza,

15 Ukuze nibe ngabange nakusoleka abange nabuqînga, nibe ngabantwana baka-Tîxo abange nakubekwa bala esazulwini sesizukulwana esigoso esigwenxa; enitî pâkatî kwabo nibonakale ninjengezikanyiso ehlabatîni,

16 Nibambêlele elizwini lobomi, nibe liqâyiya lam, nide nise kwimini ka-Kristu, ukuba andifumananga ndabaleka, kanjalo andifumananga ndabulaleka.

17 Ewe, nokuba ndiyatûlulwa ngokomnikelo pêzu kombingelelo nombuso wokôlo lwenu, ndiyavuya ndivuyisana nani nonke.

Digitized by Google

18 Yitíni-ke ngokoko nani nivuye, nivuyisane nam.

19 Kekaloku nditêmbele e-Nkosini u-Yesu, ukuba ndonitûmela u-Timoti kamsinya, ukuze nam ndonwabe, ndakuzazi indawo ezingani.

20 Kuba andinamntu wumbí umpêfumlo uvana nowam, owotí ayikâtâlele ngokwenyaniso imicimbí engani.

21 Kuba bonke bafuna ezabo izinto, zinge zizo ezika-Yesu Kristu.

22 Ukucikideka-ke kwakê niyakwazi, ukuba watí, njengomntwana kuyise, wakônza kunye nam kuzo indaba ezilungileyo.

23 Lowo kengoko nditêmbê ukumtûma kwa oko, xa nditê ndayiqonda imicimbí engam.

24 Ke, ndikôlose nge-Nkosi, ukuba nam ngokwam ndoza kamsinya.

25 Kodwa-ke ndibe kuyafuneka ukuba ndinitûmele u-Epafrodito umzalwana wam osebenza nam, umpûmi-mkôsi nam, umtûnywa wenu-ke, umlungiseleli wam kwintswelo zam;

26 Ekubeni-ke ebenilangazelela nina nonke, edandatêka, ngenx' enokuba nevayo ukuba wayesifa.

27 Kuba okunene wayesifa epânts' ukufa; ke u-Tíxo wamenzela inceba; akenzela yena yedwa, wenzela nam lo, ukuze ndingabi buhlungu ndibuhlungu kade.

28 Kukôna ngoko ndimtûma ngokukâuleza, ukuze nití nakumbona nibuye nivuye, kutí nokwam ukuba buhlungu kudambê.

29 Mamkeleni-ke ngokwase-Nkosini ninovuyo lonke; nibabeke abo banjalo;

30 Ngokuba ngenxa yomsebenzi ka-Kristu wada wapânts' ukufa, ebenza isicênge ubomi bakê, ukuze enzelelele ukusilela kwenu ekundilungiseleleni.

3 Elokugqiba, bazalwana bam, vuyani nise-Nkosini. Ukunibâlela kwa ezozinto, akunqenekile okunene kum, ke nina kuyaninqabisa.

2 Zilumkeleni izinja, balumkeleni abasebenzi bento ezimbí, balumkeleni abofunulo.

3 Kuba abolwaluko sitî, tína bakônza u-Tíxo ngomoya, siqâyise ngo-Kristu Yesu, singakôlosi ngenyama;

4 Nakuba mna bendingakôlosayo ngenyama; ukuba kukô bani uba unokukôlosa ngenyama, bendingaba ngakumbí mna;

5 Ndalukayo ngomhla wesibôzo, ndingowenzala ka-Sirayeli, ndingowesizwe sika-Benyamin, um-Hebere wama-Hebere, ngokomtêtô ndingum-Farisi,

6 Ngokwenzondelelo ndilitshutshisa ibandla, ngokobulungisa-obo basemtêtwêni ndingonge nakusoleka.

7 Ndisuke zona ezonto zabe ziyinzuzo kum, zona ezo ndazibalela ekutíni ziyinxwaleko ngenxa ka-Kristu.

8 Ewe, okunene; ndisuke into zonke ndizibalele ekutíni ziyinxwaleko ngenxa yokongama kokumazi u-Kristu Yesu i-Nkosi yam, enditê ngenxa yakê ndonakalelwa zezizinto zonke, ndizibalela ekutíni ziyinkunkuma, ukuze ndimzuze u-Kristu,

9 Ndifunyanwe ndikuye, ndinge nabo obam ubulungisa obo basemtêtwêni, ndinobo bungokukôlwa ku-Kristu, ubulungisa-ke obupûma ku-Tíxo ngalo ukôlo;

10 Ukuba ndimazi, kwa namandla ovuko lwakê, nokuba ndibe nobudlelane naye ngentlungu zakê, ndifaniswe nokokufa kwakê;

11 Ukuba ndingade ndifikelele ekuvukeni kwabafileyo.

12 Kunge kukô ukutí sendamkele, nokutí sendigqibelele; ke ndipûtûma ukuba ndingakuganga-na nokukuganga-oko, ndatí nam ndagangelwa kôna nguye u-Kristu Yesu.

13 Bazalwana, mna andizibaleli ekutíni ndigangile; ke *ndenza* nto nye; nditî, ndizilibala izinto ezisemva, ndisolulela kwezipâmbíli,

14 Ndipûtûme ngokoxunele umvuzo wobizo lwapêzulu luka-Tíxo ku-Kristu Yesu.

15 Ngoko masitî, ngangoko singako tína bagqibeleleyo, sicinge oko; kanjalo ukuba nicinga into ngokukumbí, u-Tíxo wonitŷilela naleyo.

16 Noko-ke, apô sifikelele kôna, masihambê ngamgca mnye, masicinge nto nye.

17 Yibani ngabaxelisa mna, bazalwana, nixunele kubo abahambâ ngokunjalo, njengokuba ninomfuziselo, tín' aba-ke.

18 Kuba baninzi abahambâyo, endatêtâ futí kuni ngabo, ngoku-ke nditêtâ ndilila nokulila, ndisitî, bazizo intshaba zomnqamlezo ka-Kristu,

19 Abasipêlo siyintshabalalo, aba-Tíxo

Digitized by Google

usisisu sabo, abaluzuko lulihlazo labo, abanyamekela izinto zomhlaba.

20 Kuba tîna ikowetû lisemazulwini, apô kananjalo silinde kôna kwa um-Sindisi i-Nkosi u-Yesu Kristu;

21 Eya kuwenza kumila kumbî umzimbâ wokutôbeka kwetû, ukuze wona wenziwe ufane nawo umzimbâ wozuko lwakê, ngokokusebenza kwalowo unakô ukuzitôbela pântsi kwakê zonke izinto.

4 Ngoko-ke, bazalwana bam abazintânda, balangazelelwayo, luvuyo lwam, sitsaba sam, yimani ngokunjalo e-Nkosini, zintânda.

2 U-Wodiya ndiyamyala, no-Sintike ndiyamyala, ukuba bacinge nto nye bese-Nkosini.

3 Ndiyakucela nawe, sinxulumane senyaniso, bambîsana nabobafazi bazama nam ezindabeni ezilungileyo, kwa no-Klemente, nabanye abasebenzisi bam abamagama asencwadini yobomi.

4 Vuyani e-Nkosini amaxesha onke; ndiyapînda ndití, vuyani!

5 Ukutântamisa kwenu makwazeke kubantu bonke. I-Nkosi ikufupî.

6 Ningaxâleli nto; mazitî ingcelo zenu ezintweni zonke, ngako ukutândaza nokukûnga ndawo-nye nokubulela, zaziswe kuye u-Tîxo.

7 Lwaye uxolo luka-Tîxo, olugqitisele kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina intliziyo zenu nengqiqo zenu ku-Kristu Yesu.

8 Elokugqiba, bazalwana, nditî, into zonke eziyinene, into zonke ezindilekileyo, into zonke ezibulungisa, into zonke ezinyulu, into zonke ezitândekayo, into zonke eziludumo lulungileyo, ukuba kukô sidima, kukô ndumiso, zitêlekeleleni ezonto;

9 Kwa ezozinto nazifundayo, nazamkela, naziva, nazibona kum, yenzani zona ezo; waye u-Tîxo woxolo eya kuba nani.

10 Kekaloku ndaye ndivuya e-Nkosini kakûlu, ukuba ngoku kokugqibela kude kwatî ukukunyamekela kwenu okwam kwabuya kwatyatyambâ; enaye nikunyamekele okunene, koko-ke naniswele itûba.

11 Kunge kuko ukuba nditêtâ ngokuswela; kuba mna ndafunda ukutî entlalweni endikuyo ndanele.

12 Ndiyazana nobuhlwempu, ndiyazana nobutyebi; kuko konke nasezintweni zonke ndiqêlanisiwe nokuhluta kwa nokulambâ, nokutyeba kwa nokuswela.

13 Ndinokuzenza into zonke ndikulowo undomelezayo, u-Kristu.

14 Noko-ke natyapa ukuba nobudlelane nam ngembândezelo.

15 Nani-ke bakwa-Filipu, niyazi ukuba ekuqalekeni kwendaba ezilungileyo ezi, xenikweni ndapûmayo kwelase-Makedoni, akubangakô nalinye ibandla eladlelana nam ngokusingisele emcimbîni wokunikela, nowokwamkela, yaba nini nedwa.

16 Ngokuba nase-Tesalonika, kwaba kanye nakabini, nitûmela nindinceda ekusweleni kwam.

17 Inge kukô ukuba ndibe ndifuna ukupîwa; ikukuba ndibe ndifuna isiqâmo esandela emcimbîni wenu.

18 Ke ndinezinto zonke-nje, ndityebile, ndihluti, ndizamkele-nje ku-Epafrodito izinto ezavela kuni, ivumbâ elimnandi, umbingelelo owamkelekileyo okôlekileyo kakuhle kuye u-Tîxo.

19 Ke u-Tîxo wam wokwenzelelela konke ukuswela kwenu ngokobutyebi bakê, ngokozuko oluku-Kristu Yesu.

20 Kuye-ke u-Tîxo u-Bawo wetû malubekô uzuko kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

21 Bulisani bonke abangcwele abaku-Kristu Yesu. Bayanibulisa abazalwana abanam.

22 Bayanibulisa bonke abangcwele, ngokukodwa-ke aba bendlu ka-Kesare.

23 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani nonke. Amen.

Digitized by Google

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-KOLOSE.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu ngokutânda kuka-Tixo, no-Timoti umzalwana,

2 *Ubâlela* abase-Kolose, abazalwana abangcwele abakôlwayo ku-Kristu, utî, Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tixo u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

3 Sihlala sibulela kuye u-Tixo, u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, xa sinitândazelayo,

4 Sivile-nje ngokukôlwa kwenu ku-Kristu Yesu, nokubatânda kwenu bonke abangcwele,

5 Ngenxa yetêmbâ-eli nalibekelwayo emazulwini, nalivayo ngenx'engapâmbîli ngalo ilizwi lenyaniso lendaba-ezi zilungileyo,

6 Zikôyo kuni, njengoko zikôyo nakulo lonke ihlabatî, zixakatâ neziqâmo, kwa njengoko *zixakatâyo* ngapâkatî kwenu, kususela kwimini enaluvayo nalwazi ubabalo luka-Tixo ngenyaniso;

7 Njengoko nafundayo nokufunda ku-Epafra, ongumkônzi oyintânda kunye natî, engumlungiseleli otêmbêkileyo ka-Kristu ngenxa yenu;

8 Owasazisayo nokusazisa utândo lwenu lwase-Moyeni.

9 Ngenxa yoku, kususela kwimini esevayo, natî asipêzi ukunitândazela nokunicelela, ukuze nizaliswe kukukwazi kakuhle ukutânda kwakê, ninokulumka nokuqonda konke okukokomoya;

10 Ukuze nihambê ngokuyifaneleyo i-Nkosi, nise kuko konke ukukôlisa, nixakatê isiqâmo kuwo wonke umsebenzi olungileyo, nikûlela ekumazini u-Tixo;

11 Nisomelezwa ngokomelela konke, ngokokuqina kozuko lwakê, nide nise kuko konke ukunyamezela, nokuzeka kade umsindo kunye novuyo;

12 Nibulela kuye u-Yise, owasenza sakulingana ukwahlulelwa ilifa labangcwele ekukânyeni;

13 Owasihlangulayo egunyeni lobumnyama, wasifudusela ebukumkanini bo-Nyana wotândo lwakê,

14 Esinayo kuye inkululeko ngokuhlaulelwa ngegazi lakê, ukuxolelwa kwezonoke oko;

15 Ongumfanekiso ka-Tixo onge nakubonwa, owamazibulo kwindalo yonke.

16 Ngokuba zadalelwa kuye zonke izinto, ezisemazulwini nezisemhlabeni, ezinokubonwa nezinge nakubonwa, nokuba zi-trone, nokuba zezibukôsi, nokuba zilauli, nokuba ngamagunya; zonke izinto zidalwe nguye, zidalelwe yena.

17 Yena-ke ungapâmbî kwento zonke, nazo zonke izinto zima zimi kuye.

18 Yena-ke uyintloko yomzimbâ, yebandla; oyingqalo, owamazibulo ukuvuka kwabafileyo, ukuze yena abe ngomkûlu ezintweni zonke.

19 Ngokuba kwakôleka ukutî ukuzalisека konke kuhlale kuye,

20 Nokutî ngaye azixolelanise naye zonke izinto, elwenzile uxolo ngalo igazi lomnqamlezo wakê, ewe ngaye, nokuba zizinto ezisemhlabeni, nokuba zezisemazulwini.

21 Nani enibe nifudula ningazani no-Tixo, nizintshaba ngengqondo yenu emisebenzini yenu engendawo, kukaloku-nje unixolelanisile ngako ukufa emzimbêni wenyama yakê,

22 Ukuze animise ningcwele, ninge nakubekwa bala, ninge nakumangalelwa pâmbî kwakê.

23 Ukuba kaloku nihlala nihleli elukôlweni, nisekelwe niqinile, ningashukunyiswa nimke etêmbêni lendaba ezilungileyo-ezi nazivayo, zona zashunyayelwayo kwindalo yonke epântsi kwezulu, endaba ngumlungiseleli wazo mna Paulos.

24 Ngoku ndiyavuya ezintlungwini zam

Digitized by Google

ngenxa yenu, ndikuzalisa kanye okusileleyo kwimbåndezelo zika-Kristu enyameni yam ngenxa yomzimbå wakê olilo ibandla;

25 Endaba ngumlungiseleli walo mna ngokokugosisa kuka-Tîxo awandigosisa ngako kuni, ukuba ndilizalise ilizwi lika-Tîxo,

26 Kwa imfihlelo, leyo-ke ibifihliwe kwasemapåkadeni nasezizukulwaneni, kukaloku-nje ibonakalalisiweyo kubo abangcwele bakê,

27 Awatåndayo u-Tîxo ukubazisa bona into obuyiyo ubutyebi bozuko lwalomfihlelo påkatî kwazo in-Tlanga, obungu-Kristu påkatî kwenu, itêmbå lozuko;

28 Esazisa yena tîna, siluleka wonke umntu, sifundisa wonke umntu ngabo bonke ubulumko, ukuze simise wonke umntu egqibelele eku-Kristu Yesu;

29 Endibulalekela kôna oko, ndizama ngokokusebenza kwakê okusebenzayo kum ngamandla.

2 Kuba nditånda ukuba nikwazi ukuba kukûlu kwako ukuzama endikuzamayo ngenxa yenu, nabo base-Lawodike, nabo bonke abangabubonanga ubuso bam ngokwenyama;

2 Ukuze zitûtûzelwe intliziyo zabo, bebandakanyiwe ngotåndo, kusingise kuyo yonke indyebo yokuqonda okuqinisekileyo, kusingise ekwazini imfihlelo ka-Tîxo u-Yise neka-Kristu,

3 Ekufihlwe kuye bonke ubutyebi bobulumko nobokwazi.

4 Nditsho-ke, ukuze kungabikô bani unilukuhlayo ngentetô egudileyo.

5 Kuba nangona ndingekôyo ngenyama, kôna ngomoya ndinani, ndivuya, ndibona ulungelelwano lwenu, nokuzimaseka kokukôlwa kwenu ku-Kristu.

6 Njengokuba ngoko namamkelayo u-Kristu-Yesu i-Nkosi, hambåni kuye,

7 Nendele nakêlwe kuye, naqiniswa ngokôlo, njengoko nafundiswayo nafezeka kulo, ninombulelo.

8 Lumkani, kungabikô bani unitîmbåyo ngayo intanda-bulumko nangokulukuhla okungento yanto, ngokwesitêtê sabantu, ngokweziqalelo zehlabatî, kunge ngokuka-Kristu.

9 Ngokuba kuhleli kuye konke ukuzaliseka kobu-Tîxo ngokomzimbå;

10 Kanjalo nigqibelele kuye, oyintloko yabo bonke ubulauli negunya;

11 Enatî kuye nalûswa nokwalûswa ngolwaluko olunge nakwenziwa ngazandla, ngako ukuhluba umzimbå wenyama, ngalo ulwaluko luka-Kristu;

12 Nincwatywe naye elubåptizweni; enatî nikuye navuswa nokuvuswa *naye*, ngokukôlwa kwenu kukusebenza kuka-Tîxo, owamvusa kubo abafileyo.

13 Nani, nifile-nje zipôso nakungaluki kwenyama yenu, unidlise ubomi ndawonye naye, enixolele zonke izipôso;

14 Ewucimile umbålo wesandla owalona natî, owawumelene natî ngayo imimiselo, uwususile-ke kanye ngokuwubetela emnqamlezweni;

15 Ebabûnyule obalauli nomagunya, wabenza isibonelo ekuhleni, ememelela ngabo ekuwo *umnqamlezo*.

16 Makungabikô mntu ngoko unigwebayo ngento edliwayo, nangento eselwayo, nangendawo yomtêndeleko, nangenyanga etwasileyo nange-sabatå;

17 Ezisisitûnzi sezinto eziza kuza, kasona isiqu sesika-Kristu.

18 Makungabikô namnye unilahlekanisa nomvuzo wenu, etånda ukwenje njalo ngokutôbeka kwentliziyo, nangokunquba izitûnywa zezulu, engena ezintweni angazibonanga, efumana wakûkûmaliswa yimingqiqo yenyama yakê,

19 Engabambê yona i-Ntloko, ekupûma kuyo ukutî umzimbå wonke, uncedwa ubandakanywa ngako konke ukuxomekelelana *kwamalungu* nemisipå, ukûle ngokukûlisa kuka-Tixo.

20 Ukuba ngoko nafa no-Kristu, *nakululeka* kuzo iziqalelo zehlabatî, yinina ukuba ninge nisadla ubomi ngokwabehlabatî, nimiselwe imimiselo,

21 (Eyokutî, Musa ukupåtå, musa ukuncåmla, musa ukucûkumisa,

22 Kanti zonke ezizinto zezonakaliswa kukudliwa,) nenze ngokwemitêtô nemfundiso zabantu?

23 Okunene zinto ezo ezidunyelwe bulumko ngokunqula okuzitåndelayo, nangokutôbeka kwentliziyo, nangokubandezela umzimbå, kodwa kunge ngamtêkanyelisa inyama.

Digitized by Google

3 Ukuba ngoko navuswa ndawo-nye no-Kristu, funani izinto zapêzulu, apô akôna u-Kristu, ehleli ngasekunene kuka-Tixo.
2 Nyamekelani izinto zapêzulu, zingabi zezasemhlabeni.
3 Kuba nafayo, baye ubomi benu bufihlakele ndawonye no-Kristu kuye u-Tixo.
4 Xa atê wabonakalaliswa u-Kristu, obubomi betû, ngeloxesha niyakubonakalaliswa nani ninaye ebuqaqaulini.
5 Bûbisani ngoko amalungu enu asemhlabeni, umbulo, ukuncôla, ukutâbatêka okuhlazisayo, inkanuko embi, nokubawa okuyinkonzo yezitixo kôna oko;
6 Eza ngenxa yezozinto ingqumbô ka-Tixo pêzu kwabangevayo;
7 Enanifudula nihambâ pâkati kwazo nani, okuya nibe nisidla ubomi nikuzo.
8 Kengoku nani aba kulahleni oku konke, ingqumbô, umsindo, ulunya, ukunyelisa; ukutêtâ amanyala kungabikô emlonyeni wenu.
9 Musani ukuxokisana, nizihlubile-nje umntu omdala, kunye nezenzo zakê;
10 Nambâtâ lowo umtsha uhlaziyelwa ekwazini okuhle ngokomfanekiso walowo wamdalayo;
11 Apô kungekô m-Grike nam-Yuda, kwalûka nokungalûki, m-Barbari nam-Skute, kôboka namkûluleki, usuke u-Kristu wazizinto zonke, wakubo bonke.

12 Yambâtâni ngoko, njengabanyulwa baka-Tixo, abangcwele abatândiweyo, imfesane zemfefe, ububele, ukutôbeka kwentliziyo, ubulali, ukuzeka kade umsindo;
13 Ninyamezelana, nixolelana, ukuba ubani utî abe nokusola ngakubani; njengokuba naye u-Kristu wanixolelayo, yenjani njalo nani;
14 Ke, pêzu kwazo zonke ezozinto yalekani utândo, oluyintambô yogqibelelo.
15 Uxolo luka-Tixo, enabizelwa kwakulo mzimbêni mnye, malulaule ezintliziyweni zenu, nibe nokubulela.
16 Ilizwi lika-Kristu malihlale ngapâkati kwenu ngokobutyebi; nifundisana nilulekana ngabo bonke ubulumko, niti, ngendumiso nengoma nezango ezizezomoya, nivume kamnandi entliziyweni yenu kuyo i-Nkosi.
17 Nako konke enisukuba nikwenza ngelizwi, nokuba kungomsebenzi, yenzani izinto zonke ngegama le-Nkosi u-Yesu, nibulela ngayo kuye u-Tixo u-Yise.

18 Nina bafazi, walulameleni awenu amadoda, njengoko kufanele abase-Nkosini.
19 Nina madoda, batândeni abafazi benu, ningabi bukâli kubo.
20 Nina bantwana, balulameleni abazali benu ezintweni zonke; kuba oko kukôlekile kuyo i-Nkosi.
21 Nina boyise, musan' ukubacapûkisa abantwana benu, ukuze bangaf'intliziyo.
22 Nina bakônzi, balulameleni ezintweni zonke abazinkosi zenu ngokwenyama: kungabi ngankonzo yamehlo, ngati ningabakôlisi-bantu, makube ngokwentliziyo enge nakumbi, nisoyika u-Tixo.
23 Nako konke enisukuba nikwenza, kusebenzeni ngokwasempêfumlweni, kunge kukwi-Nkosi, akukôna kubantu;
24 Nisazi-nje ukuba niya kuyamkela e-Nkosini imbuyekezo yelifa; kuba nikônza i-Nkosi u-Kristu.
25 Lowo umonayo omnye uya kukutwala okokona one ngako; kanjalo akukô kukêta buso *bamntu*.

4 Nina bazinkosi, bapâtêni ngokufanelekileyo nangokulungeleleneyo abanikônzayo; nisazi-nje ukuba nani ngokwenu nine-Nkosi emazulwini.

2 Zingisani ukutândaza, nipâpâmile kuko ninombulelo,
3 Kunye noko nisitândazela, ukuze u-Tixo asivulele umnyango welizwi, ukuba siyitêtê imfihlelo ka-Kristu, endikônxwe ngenxa yayo;
4 Ukuze ndiyibonakalalise, njengoko ndimelwe kutêtâ ngako.
5 Hambâni ngobulumko ngakwabo bangapândle, nilonga ixesha-eli.
6 Ukutêtâ kwenu makuhlale kumnandi, kuvakalisiwe ngetyuwa, ukuze nazi ukuba nimelwe kukuti-nina ukupêndula bonke ngabanye.

7 Izinto zonke ezilunge nam wonazisa u-Tikiko, umzalwana oyintânda, umlungiseleli otêmbêkileyo, ongumkônzi kunye nam e-Nkosini,
8 Endimtûmele kôna oku kuni, ukuze azazi indawo ezingani, azitûtûzele intliziyo zenu;

Digitized by Google

9 Kunye no-Onesimo, umzalwana otêmbêkileyo, oyintânda, ongomnye wenu. Bonazisa izinto zonke zalapâ.

10 Uyanibulisa u-Aristarko ongumbanjwa ndawonye nam, no-Marko umtshana ka-Barnabas, enamkela imitêtô ngaye; ukuba utê weza kuni, mamkeleni,
11 No-Yesu, ekutiwa ngu-Yusto, kwabolwaluko ngabo bodwa abasebenzisana nam ngenxa yobukumkani buka-Tîxo, abatê bona basisonwabiso kum.
12 Uyanibulisa u-Epafra ongomnye wenu, umkônzi ka-Kristu, ehlala ezama ngenxa yenu emitândazweni, ukuze nime nigqibelele nizalisekile kuko konke ukutânda kuka-Tîxo.
13 Kuba ndiyamnqînela ukuba unenzondelelo enkulu ngenxa yenu, nabo base-Lawodike, nabo base-Hirapoli.
14 Uyanibulisa u-Luka, igqîra eliyintânda, no-Demas.
15 Bulisani kubazalwana abase-Lawodike, naku-Nimfa, nakulo ibandla elisendlwini yakê.
16 Xa-ke lencwadi itê yaleswa kuni, ize nenze ukuba ileswe nasebandleni elise-Lawodike; nani niyilese leyo ipûma e-Lawodike.
17 Yitîni ku-Arkipo, Lukângele ulungiselelo owalwamkelayo lwase-Nkosini, ukuze uluzalise.
18 Umbuliso-lo ungesam isandla mna Paulos. Yikûmbûleni imixokelelwane yam. Ubabalo malube nani. Amen.

INCWADI YOKUQALA KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-TESALONIKA.

ISIQENDU I.

U-PAULOS no-Silvano no-Timoti *babâlela* ibandla labase-Tesalonika eliku-Tîxo u-Yise, ne-Nkosi yetû u-Yesu, Kristu, batî, Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

2 Sihlala sibulela kuye u-Tîxo ngenxa yenu nonke; sinikûmbûla emitândazweni yetû;
3 Singayeki ukuwukûmbûla umsebenzi wenu wokôlo, nokubulaleka kwenu kotândo, nokunyamezela kwenu kokutêmbâ i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, pâmbî ko-Tîxo u-Bawo wetû;
4 Sikwazi, bazalwana batândiweyo ngu-Tîxo, ukunyulwa kwenu;
5 Ngokuba indaba ezilungileyo zetû azibangakô kuni ngantetô yodwa; zabakô nangamandla nango-Moya Oyingcwele, nangenkoloseko enkulu, njengoko naziyo ukuba saba ngabanjanina pâkatî kwenu ngenxa yenu.
6 Nani naba ngabaxelisa tîna nayo i-Nkosi, nalamkelayo-nje ilizwi nisembândezelweni eninzi, ninovuyo lo-Moya Oyingcwele;
7 Nada naba yimifuziselo kubo bonke abakôlwayo abakwelase-Makedoni nelase-Akaya.
8 Kuba lahlokoma livela kuni ilizwi le-Nkosi, akwabi kôna kwelase-Makedoni nelase-Akaya lodwa, kusuke endaweni zonke ukukôlwa kwenu ku-Tîxo kwaduma; ngokokude kungabi safuneka ukuba sitête nto.
9 Kuba bona ngokwabo bexela ngatî, ukuba kwakunjanina ukungena kwetû kuni, nokokuba natî-nina ukuguqukela ku-Tîxo, nipûma kuzo izitîxo, ukuze nikônze u-Tîxo opîlileyo oyinyaniso,
10 Nilinde u-Nyana wakê evela emazulwini, awamvusayo kwabafileyo, kwa u-Yesu osihlangulayo kuyo ingqumbô ezayo.

2 Kuba nikwazi ngokwenu, bazalwana, ukuba ukungena kwetû kuni akulambâtânga;

Digitized by Google

2 Sesuka, nakuba besive ubunzima ngenx' engapâmbîli, sipêtwe kakubi kwa-Filipu, njengoko naziyo, asafihlisa sikuye u-Tixo wetû ukuzitêtâ kuni indaba ezilungileyo zika-Tixo, sinomzamo omkûlu.

3 Kuba uvuselelo lwetû alupûmi kulahlekiseni, lungapûmi nasekuncôleni, lungekôna nasenkohlisweni;

4 Sitî, njengoko sicikidiweyo ngu-Tixo, ukuba sipâtiswe indaba ezilungileyo, senje njalo ukutêtâ; singangi sikôlisa abantu, kuba sikôlisa u-Tixo ozicikidayo intliziyo zetû.

5 Kuba kananjalo, njengoko naziyo, asizanga sibe nantetô yakucengacenga, namkûsane wakubawa, u-Tixo ulinqina;

6 Singafuni nokufuna luzuko bantwini, nokuba kukuni, nokuba kukwabanye; nakuba besinokuba ngumtwalo ngokwababapostile baka-Kristu.

7 Tina-ke sisuke satântamisa pâkatî kwenu njengomdlezana osukuba ebagcinile abakê abantwana;

8 Ngokunjalo sinilangazelela-nje, kwakôleka kutî ukuba singaneli kunabela indaba ezilungileyo zika-Tixo-nje kodwa, *sinabele* nobomi betû ngenx' enokuba naba zintânda kutî.

9 Kuba niyakukûmbûla, bazalwana, ukubulaleka kwetû nemigu yetû; kuba sazivakalisa kuni indaba ezilungileyo zika-Tixo, sisebenza ubusuku nemini, ukuze singabi mtwalo nakubani kuni.

10 Ningamanqina nina kwa no-Tixo, ukuba saba-njanina ukuba ngcwele, nokuba nobulungisa, nokungabi nakusoleka kuni bakôlwayo;

11 Kwa njengoko naziyo nonke ngabanye, ukuba besixelisa uyise kubantwana bakê, siniyala, sinikûza, siniqononondisa,

12 Ukuba nihambê ngokumfaneleyo u-Tixo, onibizelayo kobakê ubukumkani nobuqaqauli.

13 Ngenxa yoko natî siyabulela kuye u-Tixo singayeki, okokuba natî, ukulamkela ilizwi lika-Tixo lodaba kutî, analamkela lililizwi labantu; nalamkela, njengokuba kunjalo okwenyaniso, lililizwi lika-Tixo elisebenzayo nokusebenza kuni bakôlwayo.

14 Kuba nina, bazalwana, naba ngabaxelisa amabandla ka-Tixo akwelakwa-Yuda aku-Kristu Yesu; ngokuba neva kwa obobunzima nani ngabesizwe sakowenu, babuvayo nabo ngokwabo kuwo ama-Yuda;

15 Wona ayibulalayo i-Nkosi u-Yesu kwa nabawo aba-profeti, asitshutshisa natî, engamkôlisi u-Tixo, ecâsene nabantu bonke;

16 Esalela tina ukuba sitêtê kuzo in-Tlanga, ukuze zisindiswe, esenzela ukuba azalise izono zawo ngamaxesha onke; iwafikele-ke ingqumbô kwada kwasekupêleni.

17 Tina-ke, bazalwana, sanihlutwayonje ixesha elifutshane, ngesiqu, kunge ngantliziyo, sakûtâlela ngokugqitiseleyo ukububona ubuso benu, sinqwena kakûlu.

18 Kungoko satândayo ukuza kuni, mna Paulos lo, kwakanye kwakabini, wesuka u-Satana wasibambêzela.

19 Kuba liyinto-nina itêmbâ letû novuyo lwetû nesitsaba setû soqâyiso? asinini aba-na pâmbî kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu ekufikeni kwayo?

20 Inene, nini uzuko novuyo lwetû.

3 Kungoko kwatî, singase nakuzibambâ, kwakôleka kutî ukuba sisale e-Atene sedwa;

2 Satûma u-Timoti, umzalwana wetû, umlungiseleli ka-Tixo, osebenza natî ezindabeni ezilungileyo zika-Kristu, ukuze anizimase anivuselele ngenxa yokôlo lwenu,

3 Kungabikô namnye ushukunyiswayo zezimbândezelo. Kuba nisazi ngokwenu ukuba simiselwe zona.

4 Kuba xenikweni besikuni, sanixelela ngenx'engapâmbîli ukuba siza kubandezelwa; njengokuba kwaba njalo, nani niyazi.

5 Ngenxa yoko nam nditê ndingase nakuzibambâ, ndatûmela ukuba ndilwazi ukôlo lwenu, hleze abe unihendile umhendi, saba sifumane sabulaleka.

6 Ngoku-ke u-Timoti efikile-nje kutî evela kuni, wasishumayeza indaba ezilungileyo zokôlo nezotândo lwenu, nokuba nihlala ninokusikûmbûla okuhle, nilangazelela ukusibona, kwa njengokuba natî *silangazelela* ukunibona;

7 Ngenxa yoko sitûtûzelekile, bazalwana, nini, kuyo yonke imbândezelo nengxakeko yetû ngalo ukôlo lwenu;

Digitized by Google

8 Ngokuba ngoku sipîlile, ukuba nina
nitî nime e-Nkosini.
9 Kuba singambuyekeza ngambulelo
mnina u-Tîxo ngani, kulo lonke uvuyo
esivuya ngalo ngenxa yenu pâmbî ko-
Tîxo wetû,
10 Ubusuku nemini sikûnga ngokugqi-
tiseleyo kakûlu, ukuba sibubone ubuso
benu, sikuzalise ukusilela kokôlo lwenu?

11 Wanga-ke u-Tîxo ngokwakê u-Bawo
wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, a-
ngayilungisa indlela yetû yokuza kuni.
12 Yanga-ke i-Nkosi inganandisa inityebise elutândweni omnye komnye nakubo bonke, kwa njengokuba natî *sisenje njalo* kuni,
13 Ukuze izizimase intliziyo zenu zingabi nakusoleka zibe ngcwele, pâmbî ko-Tîxo u-Bawo wetû, ekufikeni kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu nabo bonke abangcwele bayo.

4 Elokugqîba ngoko, bazalwana, siyanicela siniyala sise-Nkosini u-Yesu, ukuba nitî, njengokuba nakwamkelayo kutî, okokuba nimelwe kukutî-nina ukuhambâ nokumkôlisa u-Tixo, nikûle kuko ngakumbî.
2 Kuba niyazi ukuba zaba ziziyalo zinina, esaniyala ngazo nge-Nkosi u-Yesu.
3 Kuba oku kukutânda kuka-Tixo, ukungcwaliswa kwenu, ukuba nikûmke kulo uhenyuzo;
4 Ukuba elowo kuni akwazi ukusizuza asipâtê esakê isitya enobungcwalisa enembêko,
5 Angatâbatêki yinkanuko, njengen-Tlanga ezingamaziyo u-Tîxo;
6 Ukuba kungabikô ugqitisayo amlumkise umzalwana wakê emcimbîni lowo; ngenx' enokuba i-Nkosi ngumpîndezeli wazo zonke ezizinto, njengoko sasinixelele ngenxa'engapâmbîli, saniqononondisa.
7 Kuba u-Tîxo akasibizelanga ekuncôleni; usibizele ebungcwaliseni.
8 Ngako oko-ke lowo ugibayo, akagibi mntu, ugiba u-Tîxo owasinikayo nokusinika u-Moya wakê Oyingcwele.

9 Kekaloku ngalo utândo lobuzalwana akufuneki ukuba ndinibâlele; kuba nina ngokwenu ningabafundiswe ngu-Tîxo ukuba nitândane;
10 Kuba okunene niyakwenza oko kubo bonke abazalwana abakwelase-Makedoni lipêla. Siyanivuselela-ke, bazalwana, ukuba nikûle kuko oko ngakumbî;
11 Nokuba nitând' imbêko yokuba nizole, nenze ezenu izinto, nisebenze ngezenu izandla, njengoko saniyalayo;
12 Ukuze nihambê ngokuzibekileyo ngakwabo bangapândle, ningasweli nto.

13 Kekaloku, anditândi ukuba ningazi, bazalwana, mayela nabalel' ukufa, ukuze ningabi buhlungu njengabanye abange natêmbâ bona.
14 Kuba xa sikôlwa ukuba u-Yesu wafa, wabuya wavuka, kwa ngokunjalo naye u-Tîxo woza nabo abalel' ukufa ngaye u-Yesu kunye naye.
15 Kuba oku siyakutsho kuni ngelizwi le-Nkosi ukutî, tîna babudlayo ubomi, baya kuba besekô ekufikeni kwe-Nkosi, asisayi kubapângela abalel' ukufa.
16 Ngokuba i-Nkosi ngokwayo iya kuhla ezulwini inendanduluko, inelizwi lesipâtâ-zitûnywa, inexilongo lika-Tîxo, baze abafele ku-Kristu bavuke kuqala;
17 Sandule tîna babudlayo ubomi basaseleyo, sixwilelwe emafini kwakunye nabo, siye kuyikâulela i-Nkosi esibâkabâkeni; size ngokunjalo sihlale sihleli sindawo-nye ne-Nkosi.
18 Ngoko-ke tûtûzelanani ngalamazwi.

5 Kekaloku, ngawo amaxesha namatûba, bazalwana, akufuneki nganto ukuba ndinibâlele;
2 Kuba nani ngokwenu niyazi ngokucokisekileyo, ukuba imini ye-Nkosi, njengesela ebusuku, yenje njalo ukuza kwayo.
3 Kuba xenikweni baya kutî, Luxolo nokunqaba, oko baya kufikelwa yintshabalaliso ngebaqo, kwa njengenimbâ komitîyo, baye bengayi kukê basinde.
4 Ke nina, bazalwana, anisebumnyameni, ukuba imini leyo iniqubule njengesela.
5 Nonke nina ningabokukânya, abemini; asingabobusuku, asingabobumnyama.
6 Ngoko-ke masingalali njengabanye aba, masipâpê sibe zincâtû.
7 Kuba abaleleyo balala ebusuku; nabanxilayo banxila ebusuku.
8 Ke tîna bangabemini masibe zincâtû; masinxibe isigcina-sifuba sokôlo notândo, nesigcina-ntloko esilitêmbâ losindiso.

Digitized by Google

9 Ngokuba u-Tixo akasimiselanga ngqumbô; usimisele ukuzuza usindiso ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu,
10 Owasifelayo; ukuze nokuba sihleli, nokuba silele, sidle ubomi kwakunye naye.
11 Kungoko nditi, Tûtûzelanani, nakâne, kwa njengokuba nisenje njalo.

12 Kekaloku, siyanicela, bazalwana, ukuba nibazi ababulalekayo pâkati kwenu, abanongamelayo e-Nkosini, abanilulekayo,
13 Nibabeke ngokugqitiseleyo kakûlu ukubatânda, ngenxa yomsebenzi wabo. Hlalani ninoxolo pâkati kwenu.
14 Siyanivuselela-ke, bazalwana, balulekeni abanxaxâyo; bakûzeni abamxêlo mncinane, basekeleni abatâmbîleyo; yibani nokuzeka kade umsindo kubantu bonke.
15 Lumkani, kungabikô bani ubuyekeza ububi ngobubi nakubani; hlalani nipûtûma okulungileyo omnye komnye nakubantu bonke.
16 Hlalani nivuya.
17 Tândazani ningayeki.
18 Entweni zonke bulelani; kuba oko kukutânda kuka-Tixo ku-Kristu Yesu ngani.
19 U-Moya musan' ukumcima.
20 Izi-profeto musan' ukuzenza into engento.
21 Into zonke zicikideni, nibambê leyo intle.
22 Kûmkani kuzo zonke intlobo zenkohlakalo.

23 Wanga-ke u-Tixo woxolo ngokwakhê anganingcwalisa nipêlelisekile; uti ugqibelele owenu umoya nompêfumlo nomzimbâ, ugcinwe ngokunge nakusolèka ekufikeni kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
24 Utêmbêkile onibizayo, oya kukwenza nokukwenza oko.

25 Bazalwana, sitândazeleni.

26 Babuliseni abazalwana bonke ngolwango olungcwele.
27 Ndiyanifungisa i-Nkosi ukuba lencwadi ileswe kubo bonke abazalwana abangcwele.

28 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani. Amen.

INCWADI YESIBINI KA-PAULOS UM-POSTILE KWABASE-TESALONIKA.

ISIQENDU I.

U-PAULOS no-Silvano no-Timoti *babâlela* ibandla labase-Tesalonika *eli*ku-Tixo u-Bawo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu;
2 *Batî*, Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tixo u-Bawo, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

3 Simelwe kuhlala sibulela ku-Tixo ngenxa yenu, bazalwana, njengokuba kufanelekile, ngokuba lukûla ngokugqitiseleyo ukôlo lwenu, lusanda utândano lwenu nonke ngabanye;
4 Ngokokude tina ngokwetû siqâyise ngani emabandleni ka-Tixo, ngenxa yonyamezelo lwenu nokôlo *lwenu* ezintshutshisweni zenu zonke, nasezimbândezelweni enizinyamezelayo;
5 Umbonakaliso-ke lowo womgwebo onobulungisa ka-Tixo, ukuze nibalelwe ekutîni nibufanele ubukumkani buka-Tixo, enitî ngenxa yabo nive nokuva ubunzima;
6 Ukuba kanti yinto ebulungisa ku-Tixo ukubabuyekeza ngembândezelo abanibandezelayo,
7 Ati, nina babandezelwayo, anibuyekeze ngokunipûmza kunye natî ekutyile-

Digitized by Google

keni kwe-Nkosi u-Yesu ivela ezulwini inezitûnywa zamandla ayo,

8 Inomlilo odangazelayo, ibapîndezela abangamaziyo u-Tîxo, nabangazilulameliyo indaba ezilungileyo ze-Nkosi yetû u-Yesu Kristu;

9 Bona abo baya kuva ukubetŵa, intshabalalo engunapâkade ke-leyo, bemke ebusweni be-Nkosi, nasebuqaqaulini bokomelela kwayo;

10 Xa itê yeza kuzukiswa kubangcwele bayo, imangaliseke kubo bonke abakôlwayo, (ngokuba nakôlwa bubunqîna betû kuni,) ngalomini.

11 Ngoko-ke sihlala sitândaza nokutândaza ngenxa yenu, ukuba u-Tîxo wetû anibalele ekutîni nilufanele ubizo lwenu, azalise ngokunamandla konke ukukôliswa kukulunga, nomsebenzi wokôlo;

12 Ukuze lizukiswe igama le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu kuni, nani nizukiswe kuye, ngokobabalo luka-Tîxo wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

2 Kekaloku siyanicela, bazalwana, ngenxa yokufika kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu nokuhlanganiselwa kwetû kuyo,

2 Ukuba ningazanyazanyiswa kwakamsinya, nahlukane nengqiqo, ukuba ningabi navuso ngamoya, ngalizwi, ngancwadi ingatî ivela kutî ngokungatî iselingene imini-leyo ka-Kristu.

3 Makungabikô bani unilukuhlayo nangalunye uhlobo; ngokuba *ayinakufika* yona, lungakânga lufike ulahlo kuqala, atŷileke umntu wesono, unyana wotshabalalo;

4 Lowo ucâsayo uzipâkamisayo ngapêzu kwento yonke ekutîwa ngu-Tîxo, nehlonelwayo, ngokokude azihlalise e-tempileni ka-Tîxo ezenza u-Tîxo, ezibonisa ukuba ungu-Tîxo.

5 Anikûmbûli-na, ukuba oko bendisekuni ndanixelela ezizinto?

6 Nangoku niyakwazi okubambêzelayo, ukuze atŷileke ngelakê ixesha.

7 Kuba imfihlelo yokucâsana nomtêtô iselisebenza; kodwa kulindwe ukuba ade lowo ubambêzelayo ngoku asuswe kanye.

8 Andule ukutŷileka onge namtêtô; lowo iya kumtshisa i-Nkosi ngomoya womlomo wayo, imbângise ngokubonakala kokufika kwayo;

9 Kwa lowo, ukufika kungokokusebenza kuka-Satana ngayo imisebenzi yonke yamandla nemiqondiso nezimanga zobuxoki,

10 Nangako ukulukuhla konke kokungalungisi kwabo batshabalalayo; ngenx' enokuba bengakwamkelanga ukuyitânda inyaniso, ukuze basindiswe.

11 Nangenxa yoko u-Tîxo uya kubatûmela ulahlekiso olusebenza ngamandla, ukuze bakôlwe buxoki;

12 Ukuze bagwetywe bonke abangakôlwanga yiyo inyaniso, basuka bakôliswa kuko ukungalungisi.

13 Ke tîna simelwe kuhlala sibulela kuye u-Tîxo ngenxa yenu, bazalwana batândiweyo yi-Nkosi, ukuba u-Tîxo kwasekuqalekeni waninyulela ukusindiswa ngokungcwalisa ko-Moya nokukôlwa yinyaniso;

14 Awanibizela kuko oko ngazo indaba ezilungileyo zetû, ukuba nizuze uzuko lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

15 Ngoko-ke, bazalwana, yimani, nizibambê izitêtê enazifundiswayo, nokuba kungelizwi, nokuba kungencwadi yetû.

16 Kekaloku, i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu ngokwayo, no-Tîxo u-Bawo wetû owasitândayo, wasinika intutûzelo engunapâkade netêmbâ elilungileyo ngobabalo,

17 Wanga angazitûtûzela intliziyo zenu, anizimase kuwo onke amazwi nemisebenzi elungileyo.

3 Elokugqiba, sitândazeleni, bazalwana, ukuba ilizwi le-Nkosi likâuleze, lizukiswe, njengoko lenjenjalo nakuni;

2 Nokuba sihlangulwe ebantwini abangendawo abakôhlakeleyo; kuba ukôlo alubantwini bonke.

3 Itêmbêkile-ke yona i-Nkosi, eya kunizimasa inigcine kuyo inkohlakalo.

4 Sikôlose ngani-ke ngokwase-Nkosini, ukuba izinto esinitêtêla zona niyazenza, nabe nisaya kuzenza.

5 Yanga-ke i-Nkosi ingatî intliziyo zenu izikôkelele elutândweni luka-Tîxo naselunyamezelweni luka-Kristu.

6 Kekaloku, siyanitêtêla, bazalwana, ngegama le-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, ukuba nikŵebuke kubo bonke abazalwana abahambâ ngokunxaxâ, bengahambî ngokwesitêtê abasamkelayo kutî.

Digitized by Google

7 Kuba nisazi ngokwenu, ukuba nimelwe kukutî-nina ukusilinganisa; ngokuba asinxaxânga pâkatî kwenu;
8 Asidlanga sonka samntu ngesisa, sidle ngokubulaleka nangemigu, sisebenza ubusuku nemini, ukuze singabi bunzima nakubani kuni;
9 Kunge ngakuba sasinge nagunya, senzela ukuze sizinikele sibe ngumfuziselo kuni, nize nina nixelise tîna.
10 Kuba naxenikweni besikuni, sanitêtêla ngelitî, Ukuba umntu akatândi kusebenza, makangadli nokudla.
11 Kuba siyeva ukuba inxenye pâkatî kwenu ihambâ ngokunxaxâ, ingasebenzi nento, izifaka kwizinto zabanye.
12 Abanjalo-ke siyabatêtêla sibavuselela ngayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, ukuba batî, besebenza ngokuzola, badle esisesabo isonka.
13 Ke nina, bazalwana, musan' ukutâ mandla ekwenzeni okulungileyo.
14 Ukuba-ke kukô bani ungalilulameliyo ilizwi letû ngencwadi-le, mqondeni lowo, ningazidibanisi naye, ukuze adane;
15 Noko-ke ningambaleli ekutîni ulutshaba; manimluleke njengomzalwana.
16 Yanga-ke i-Nkosi yoxolo ngokwayo inganinika uxolo ngamaxa onke, ngendlela zonke. I-Nkosi mayibe nani nonke.

17 Umbuliso ngesam isandla mna Paulos. Nguwo lowo umqondiso kuzo zonke incwadi; ndenje-njalo ukubâla.
18 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani nonke. Amen.

INCWADI YOKUQALA KA-PAULOS UM-POSTILE KU-TIMOTI.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu, ngokommiselo ka-Tîxo um-Sindisi wetû, ne-Nkosi yetû u-Yesu Kristu itêmbâ letû,
2 *Ubâlela* u-Timoti, umntwana wakê kanye ngokwaselukôlweni, utî, Makube lubabalo, inceba, uxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo, no-Kristu Yesu i-Nkosi yetû.

3 Njengoko ndakuyalayo ukuba uhlale e-Efeso, ndakuba mna ndisiya kwelase-Makedoni, *ndenje njalo ukukuyala nangoku*, ukuze ubatêtêle abanye, bangafundisi mfundiso yimbî,
4 Kananjalo banganyamekeli zintsomi namilibo yakuzalwa engapêle ndawo, into ezo ezibanga imbûzwano, zingahambîsi lona ulwakô luka-Tîxo olungokôlo.
5 Ke, intsingiselo yoyalo, ilutândo olupûma entliziyweni ehlambûlukileyo, nasesazeleni esilungileyo, naselukôlweni olungahanahanisiyo;
6 Abatê abatîle bezipôsile ezonto, bapâmbûkela ekutêtêni okunge nto yanto;
7 Betânda ukuba ngabafundisi bomtêtô, pôfu bengaziqiqi izinto abazitêtâyo, kwa nezo bazinqînayo.
8 Siyazi-ke ukuba umtêtô mhle, ukuba umntu utî awupâtê ngokomtêtô,
9 Ngokwazi oku, ukuba umtêtô-lo awumiselwe lungisa, umiselwe-ke abacâs'umtêtô nabange nakululama, abangahloneli-Tîxo nabangaboni, abange ngcwele nabahlambêli, ababetî-yise nababetî-nina, izigwinta,
10 Abenzi bombulo, amadoda alalanayo, amasela abantu, amaxoki, amafunga-buxoki, nokuba kukô nto yimbî icâsene nemfundiso epîlileyo;
11 Ngokwendaba ezilungileyo zozuko luka-Tîxo osikelekileyo, endapâtîswa zona mna.
12 Kananjalo ndinombulelo kowandomelezayo, u-Kristu Yesu i-Nkosi yetû, kuba wandibalela ekutîni nditêmbêkile, endimisela ebulungiselelini;

Digitized by Google

13 Nakuba ngapâmbîli ndandingumnyelisi nomtshutshisi nompâtî kakubi; ndesuka ndenzelwa inceba, ngokuba ndakwenza oko ndingazi ndisekungakôlweni:
14 Ke lwanda ngokuncamisileyo ubabalo lwe-Nkosi yetû, lunokôlo notândo oluku-Kristu-Yesu.
15 Litêmbêkile ilizwi-eli, lifanelwe kukwamkelwa konke, eli lokuba u-Kristu Yesu weza ehlabatîni ukuba asindise aboni; endingomkûlu kubo mna;
16 Noko-ke ndesuka ndenzelwa inceba ngenxa yoku, ukuze u-Yesu Kristu akubonakalalisele kum kuqala konke ukuzeka kade umsindo, ndibe ngumzekelo kwabo baza kukôlwa kuye base ebomini obungunapâkade.
17 Kekaloku kuye u-Kumkani wawo amapâkade, onge nakonakala, onge nakubonakala, ku-Tîxo olumkileyo yedwa, makubekô imbêko nozuko kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

18 Oluyalo ndilubeka pâmbî kwakô, mntwanam Timoti, ngokwezi-profeto ezandulelayo ngawe, ukuze ulwe ngazo ukulwa okuhle,
19 Unokôlo nesazela esilungileyo, etê ixenye isigibile yapûkelwa ngumkômbê mayelana nokôlo;
20 Eno-Himenayo no-Alesandire, endabanikelayo ku-Satana, ukuze baqeqeshwe ukuba banganyelisi.

2 Ndiyavuselela ngoko kuqala kwinto zonke, ukuba kwenziwe izikûngo, imitândazo, izibongozo, imibulelo, ngenxa yabantu bonke,
2 Ngenxa yokumkani nabo bonke abasekongameni, ukuze sihlale ngokonwaba nangokuzola, sinokuhlonela u-Tîxo nokundileka konke.
3 Kuba oku kuhle kwamkelekile emehlweni om-Sindisi wetû u-Tîxo;
4 Onga yena bangasindiswa bonke abantu, bafikelele ekuyazini inyaniso.
5 Kuba mnye u-Tîxo; mnye nomlamli pâkatî ko-Tîxo nabantu, umntu u-Kristu Yesu,
6 Lowo wazinikelayo ukuba abe yintlaulelo yokukûlula *abantu* bonke; ubunqînake obo bokunqînwa ngamaxesha angawabo;
7 Enditê ndamiselwa bona mna, ukuba ndibe ngumshumayeli nom-postile, (nditêtâ inyaniso ndiku-Kristu, andixoki,) umfundisi wen-Tlanga elukôlweni nasenyanisweni.

8 Ngoko ndinga angatândaza amadoda kuzo zonke indawo, epâkamisa izandla ezingcwele, enge nangqumbô enge nantandabuzo.
9 Kwa ngokunjalo mabatî nabafazi banxibe ingubo ezifanelekileyo, benentloni benesonti, ingabi kukupot' inwele, nokunxitywa kwe-golide ne-perile nesambâtô esixabiso likûlu;
10 Mabatî, (ngokufanele abafazi abatî bahlonela u-Tixo,) bavatê imisebenzi elungileyo.
11 Umfazi ezolile makafunde etôbele konke.
12 Umfazi-ke andimvumele ukuba afundise, nokuba ayilaule indoda, makazole.
13 Kuba kwabunjwa u-Adam kuqala, kwandula-ke ukubunjwa u-Eva.
14 Kanjalo akulukuhlwanga Adam; ke kulukuhlwe umfazi, waba sekugqiteni.
15 Noko-ke wosindiswa ngokuzala, ukuba batê bema elukôlweni naselutândweni nasebungcwaliseni, benesonti.

3 Litêmbêkile ilizwi-eli litî, Ukuba ubani unxâmele ubuveleli,[1] unqwenela umsebenzi omhle.
2 Umveleli[2] ngoko umelwe kukutî abe ngonge nakukâlazelwa, eyindoda yamfazi mnye, eyincâtu, enesonti, ezibekile, ebuk'indwendwe, enokufundisa,
3 Engageziswa yi-wayini, enge mbetî, enge mnxâmeli wanzuzo imbî; makabe ngotântamisayo, engalwi, enge mtândi wamali,
4 Eyongamele kakuhle eyakê indlu, abantwana bakê bemtôbele, benokundileka konke,
5 (Kuba ukuba umntu akakwazi ukuyongamela eyakê indlu, angatî-nina ukupâtâ ibandla lika-Tîxo?)
6 Angabi ngosand' ukungeniswa, ukuze angatîwa-lwale liratshi, eyele elugwebeni lomtŷoli.
7 Kanjalo-ke umelwe kukutî abe nobunqîna obuhle obuvela kwabangapândle, ukuze angeyeli engcikivweni nasesibatêni somtŷoli.
8 Kwa ngokunjalo abalungiseleli[3] bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ntlo-

[1] Ubu-Bishop. [2] U-Bishop. [3] Ama-Dikoni.

Digitized by Google

lela yombîni, bangazinikeli kwi-wayini eninzi, banganxâmeli nzuzo imbî,

9 Mababe nemfihlelo yokôlo esazeleni esihlambûlukileyo.

10 Nabo aba-ke mabacikidwe ukuqala; bandule-ke ukulungiselela bengabange nakumangaleleka.

11 Kwa ngokunjalo abafazi bamelwe kukuba nokundileka, bangabi ngabahlebi, mababe zincâtu, batêmbêke entweni zonke.

12 Abalungiseleli [1] mababe ngamadoda abafazi ngabanye, besongamela kakuhle abantwana nezindlu ezizezabo.

13 Kuba abo balungiselele kakuhle bazizuzela isimo esihle nokungafihlisi okukûlu ekukôlweni okuku-Kristu Yesu.

14 Ezizinto ndizibâla kuwe, ndiţêmbê ukuba ndiya kuza kuwe kamsinya.

15 Ukuba-ke ndiţê ndalibala, *ndikubâlela* ukuze wazi, ukuba kumelwe kukutîwa-nina ukuhanjwa endlwini ka-Tîxo, yona ilibandla lika-Tixo opîlileyo, intsika nesiseko sayo inyaniso.

16 Kananjalo ngokuvunyiweyo inkulu imfihlelo yona leyo yokuhlonel' u-Tîxo: u-Tîxo wabonakalaliswa esenyameni, wagwetyelwa esemoyeni, wabonakala kwizitûnywa zezulu, wavakaliswa pâkatî kwen-Tlanga, kwakôlwa kuye ehlabatîni, wenyuswa waba sebuqaqaulini.

4 Kekaloku u-Moya utî ngokupîmiselelo, inxenye iya kumka elukôlweni ngamaxesha asemva, inyamekele omoya abalahlekisayo nemfundiso ze-demon,

2 Isimka nohanahaniso lwabatêtâ ubuxoki, betshiswe isazela sabo ngentsimbî,

3 Bengavumi ukuba kuzekwe, nokuba kudliwe izinto ezadalwa ngu-Tîxo, ukuze zamkelwe ngombulelo ngabo bakôlwayo bayaziyo inyaniso.

4 Ngokuba sonke isidalwa sika-Tîxo sihle; asiyonto yakulahlwa, ukuba samkelwa ngombulelo;

5 Kuba singcwaliswa ngalo ilizwi lika-Tîxo nangezibongozo.

6 Ukuba utê ezizinto wazibeka pâmbî kwabazalwana, woba ngumlungiseleli omhle ka-Yesu Kristu, wondliwe ngamazwi okôlo nawemfundiso entle oyilandelayo.

7 Ke zona intsomi ezihlambêlayo zamaxêgokazi zimangale. Ziqêlise ukuhlonela u-Tîxo.

8 Kuba okukokomzimbâ ukuqêlisa kunceda kancinane; ke kôna ukuhlonel' u-Tîxo kunceda ngako konke, kunedinga lobomi bakaloku-nje, nobobo buza kubakô.

9 Litêmbêkile ilizwi-elo, lifanelwe kukwamkelwa konke.

10 Kuba sibulalekela singcikivelwe oko; ngokuba sitêmbêle ku-Tîxo opîlileyo, ongum-Sindisi wabantu bonke, ngokukodwa owabakôlwayo.

11 Batêtêle ezizinto, ufundise zona.

12 Makungabikô namnye ubudelayo ubuncinane bakô, suk' ube ngumzekelo wabakôlwayo ngentetô, ngehambô, ngotando, ngomoya, ngokôlo, ngobunyulu.

13 Nyamekela imfundo, uvuselelo, imfundiso, ndide ndifike.

14 Ungasihilizeli isipô esingokubabalwa esikuwe, owasinikwayo ngesi-profeto kunye nokubekwa izandla yintlanganiso yamadoda amakûlu.

15 Zinyamekele ezozinto, hlala kwezozinto, ukuze ukuhambêla kwakô pâmbîli kubonakale kwinto yonke.

16 Zilumkele wena nemfundiso yakô; hlal' uhleli kwezonto; kuba ngokwenza oko wozisindisa wena, ubasindise nabo bakuvayo.

5 Indoda enkulu mus' ukuyitêtîsa kabukâli, yiyale njengoyihlo; amancinane njengabazalwana;

2 Abafazi abakûlu njengonyoko; abancinane njengodade, unobunyulu bonke.

3 Babeke abahlolokazi abangabahlolokazi ngenene.

4 Ke ukuba kukô mhlolokazi utîle unabantwana, nokuba ngabazukulwana, ukuqala mabafunde ukuhlonela elabo ikâya, bababuyekezele umbuyekezo oninakûlu; kuba oko kuhle kwamkelekile emehlweni ka-Tîxo.

5 Ke yena ongumhlolokazi ngenene, eshiywe yedwa, utêmbêla ku-Tîxo, uhlal' ehleli ekukûngeni nasemitândazweni ubusuku nemini.

6 Kodwa yena oxâmla iziyolo ufile, nakuba ngatî udla ubom.

7 Batêtêle ezizinto, ukuze bangabi nakukâlazeleka.

8 Ukuba-ke umntu akabakâtâlele abakê,

[1] Ama-Dikoni.

Digitized by Google

ngokukodwa abendlu yakê, ulukânyele ukôlo, unobubi ngapèzu kongakôlwayo.

9 Makangabalelwa enanini *labahlolokazi* umhlolokazi ongapântsi kweminyaka emashumi matândatû, awaye ngumfazi wandoda-nye,

10 Enqînelwe ngemisebenzi emihle; ukuba wondle abantwana, ukuba wamkele indwendwe, ukuba uzihlambîle inyawo zabangcwele, ukuba ubasizile ababandezelweyo, ukuba usukelene nemisebenzi yonke elungileyo.

11 Ke bona abahlolokazi abatsha bamangale; kuba xa batê banobuñawu bamcâsa u-Kristu, botând' ukwenda;

12 Benesigwebo sokuba balutshitshisile ukôlo lokuqala.

13 Kunye noko-ke bafunde ukungasebenzi nto, betûngelana nezindlu; banganeli kungasebenzi nto kodwa, basuke kananjalo babe ngamapôlopôlo, bazifake kwizinto zabanye, batêtê izinto ezingafanelekileyo.

14 Ngoko ndinga abahlolokazi abatsha bangenda, bazale, babe ngabanikazi-mizi, bangamniki ocâsayo nalinye itûba lokutshabîsa.

15 Kuba inxenye iselipâmbûkele emva ko-Satana.

16 Ukuba kukô ikôlwa, nokuba likôlwakazi elinabahlolokazi, malibasize lize ibandla lingasindwa, ukuze lona lisize abangabahlolokazi ngenene.

17 Amadoda amakûlu awongamela kakuhle, makabalelwe ekutîni afanelwe yimbêko epîndwe kabini, ngokukodwa lawo abulalekayo elizwini nasemfundisweni.

18 Kuba sitsho isibâlo ukutî: Uz'ungayibopî umlomo inkomo ibûla; nokutî: Umsebenzi uwufanele umvuzo wakê.

19 Ukumangalelwa kwendoda enkulu musa ukukwamkela, kungabangakô manqîna mabini nokuba matâtû.

20 Abo bonayo bohlwaye emehlweni abantu bonke, ukuze nabanye aba babe nokoyika.

21 Ndiyakuqononondisa emehlweni kaTîxo, ne-Nkosi *yetû* u-Yesu Kristu, nezitûnywa zezulu ezinyuliweyo, ukuba uzigcine ezizinto ungaqal' ugwebe, ungenzi nto ngokwayama bani.

22 Unganxâmi ubeke izandla pèzu kukabani, kanjalo ungadlelani nabanye ngezono zabo; zigcine nyulu.

23 Mus' ukuba sasela manzi; sela intwana ye-wayini, ngenxa yesisu sakô nobulwelwe bakô obufutî.

24 Izono zabanye abantu zisekuhleni kanye, ziyandulela ukuya emgwebeni; abanye-ke ziyabalandela nokubalandela.

25 Kwa ngokunjalo nemisebenzi emihle isekuhleni kanye, naleyo ingenjalo ayinakô ukufihlakala.

6 Onke-ke amakôboka apântsi kwe-dyokwe ndinga-ke angababalela abaniniwo ekutîni bafanelwe yimbêko yonke, ukuze igama lika-Tîxo nemfundiso inganyeliswa.

2 Lawo-ke ankosi zikôliweyo, makangazideli ngakuba zingabazalwana; makube kukôna azikônzayo, ngokuba zingamakôlwa, izintânda ezingamadlelana ngomsebenzi wokusiza. Bafundise ezizinto, ubavuselele.

3 Ukuba umntu ufundisa mfundiso yimbî, angavumani namazwi apîlileyo angawe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, nemfundiso engokokuhlonela u-Tîxo:

4 Utîwe-lwale lifatshi, engazi luto kakuhle, ufa kukukânuka imbûzwano namapîke amazwi, ekutî kwezonto kupûme umona, inkani, izinyeliso, izifano ezingendawo,

5 Impikiswano zocûku lwabantu, abonakele ingqiqo, abahlutwe inyaniso, beba ukuhlonel' u-Tîxo kusekeleza inzuzo. Suka kwabo banjalo.

6 Ke, kôna ukuhlonel' u-Tîxo, kundawo-nye nokwanela kusekeleze inzuz' enkulu.

7 Kuba besingangenanga nanto ehlabatîni, kuyabonakala kananjalo ukuba asinakupûma nanto.

8 Sinento-ke edliwayo neyambâtwayo, masanele zezonto.

9 Ke, abo banga bangabazityebi beyela ekuhendweni nasesibatêni nasezinkanukweni ezininzi ezibudenge, ezenzakalisayo; zona zibatshonisayo abantu ekonakaleni nasekutshabalaleni.

10 Kuba ukutând' imali yingcambû yento zonke ezimbî: abatê abatîle ngokuzolulela kuyo balahlekana nokôlo, bazibôdloza ngobuhlungu obuninzi.

11 Ke, wena mntu ka-Tîxo, zibaleke e-

Digitized by Google

zonto; pûtûma-ke ubulungisa, ukuhlonel' u-Tixo, ukôlo, utândo, unyamezelo, ubulali.
12 Wuzame umzamo omhle wokôlo; bubambê ubom obungunapâkade, owabizelwa nokubizelwa kubo, waza waluvuma uvumo oluhle emehlweni amanqîna amaninzi.
13 Ndiyakutêtêla emehlweni ka-Tixo, ozidlis' ubom zonke izinto, nasemehlweni ka-Kristu Yesu, owanqîna wavuma uvumo oluhle pâmbî ko-Pontiyo Pilato,
14 Ukuba uwugcine umtêtô-lo ungabi nabala, ungabi nakukâlazelwa, kude kufike ukubonakala kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu,
15 Aya kukubonakalisa ngawakê amaxesha, lowo usikelelekileyo, ukupêla k-Onamandla, u-Kumkani kakumkani, u-Nkosi kankosi,
16 Okupêla konokungafi, ehleli ekukânyeni okunge nakusondelwa; ekungekô namnye kubantu owakê wambona, nonakô ukumbona; kuye makubekô imbêko namandla angunapâkade. Amen.

17 Abazityebi kwelipâkade langoku batêtêle, bangaratshi, bangatêmbêli butyebini bungagqalekiyo, mabatêmbêle ku-Tixo opîlileyo, obeka pâmbî kwetû izinto zonke ngokobutyebi ukuba zidliwe;
18 Benze okulungileyo, babe zîtyebi zemisebenzi emihle, babe nokwaba kakuhle, babe nobudlelane,
19 Baziqwebele isiseko esihle base exesheni eliza kuza, ukuze babubambê ubomi obungunapâkade.

20 Wa Timoti, lonto uyipâtîsiweyo yigcine, upâmbûke entetwêni ezingezizo ezihlambêlayo, nakwincaso zokwazi okubizwa njalo kuxokwa,
21 Abasuke abatîle, betê banako *okukwazi* balupôsa ukôlo.

Ubabalo malube nawe. Amen.

INCWADI YESIBINI KA-PAULOS UM-POSTILE KU-TIMOTI.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, um-postile ka-Yesu Kristu ngokutânda kuka-Tixo, ngokwedinga lobomi obuku-Kristu Yesu,
2 *Ubâlela* u-Timoti, umntwana wakê oyintânda, *utî*, Makube lubabalo, nenceba, noxolo oluvela ku-Tixo u-Yise, no-Kristu Yesu i-Nkosi yetû.

3 Ndinokubulela kuye u-Tixo, endamkônzayo kwakomawokûlu ndinesazela esihlambûlukileyo, ndikukûmbûla-nje ngokungapêliyo ekukûngeni kwam ubusuku nemini,
4 Ndilangazelela ukunga ndingakubona, ndizikûmbûla-nje inyembêzi zakô, ukuze ndizaliswe luvuyo;
5 Ndikûnjuzwa-nje ukôlo olokuwe olunge nakuhanahanisa, lona lwahlalayo kuqala kunyokokûlu u-Loyisi, nakunyoko u-Yunike, endinyanisileyo-ke ukutî luhleli nakuwe.
6 Enditî ngenxa yelotûba ndikukûmbûze, ukuba usikwezele isipô sokubabalwa kwakô ngu-Tixo, esikôyo kuwe ngokubekwa kwezandla zam pêzu *kwakô*.
7 Kuba u-Tixo akasinikanga moya wabugwala, wasinika owamandla, nowotândo, nowesonti.
8 Ngoko-ke mus' ukuba nazintloni ngabo ubunqîna be-Nkosi yetû, nangam mna mbanjwa wayo; suk' uve ububi kunye nam ngenxa yendaba ezilungileyo ngokwamandla ka-Tixo;
9 Owasisindisayo, wasibiza ngobizo olungcwele, engenzi ngokwemisebenzi yetû, esenza ngokweyakê ingqibo nobabalo, esababalwa ngalo ngo-Kristu Yesu pâmbî kwamaxesha apâkade,

Digitized by Google

10 Lwabonakaliswa-ke ngoku ngako u-kubonakala kom-Sindisi wetû u-Yesu Kristu, owakubângisayo okunene ukufa, kodwa wabukânyisa ubom nokungonakali ngazo indaba ezilungileyo ezi,

11 Endamiselwa zona mna ndaba ngumvakalisi nom-postile nomfundisi wen-Tlanga.

12 Enditî kananjalo ngenxa yelitûba ndive obobunzima; noko-ke andinazintloni; kuba ndiyamazi endikôliweyo nguye, kanjalo nditî ndeyisekile ukuba unakô ukuyigcina into endimpâtîsileyo ese kulomini.

13 Umzekelo wamazwi apîlileyo owawevayo kum, wubambê elukôlweni naselutândweni oluku-Kristu Yesu.

14 Lonto intle uyipâtîsiweyo yigcine ngo-Moya Oyingcwele ohleliyo ngapâkatî kwetû.

15 Oku uyakwazi ukuba bandinikele umva bonke abase-Asiya; abano-Figelo no-Hermogene.

16 Yanga i-Nkosi ingayenzel' inceba indlu ka-Onesiforo; ngokuba kwabafutî endipûmza, akaba nazintloni nguwo umxokelelwane wam;

17 Wati akuba se-Roma wandifuna ngokukûtâla okukûlu wandifumana.

18 Yanga i-Nkosi ingamfumanisa inceba e-Nkosini ngalomini. Nguwena waziyo kakuhle oko zingako izinto awalungiselela ngazo e-Efeso.

2 Wena ngoko mntwan' am, yomelela elubabalweni oluku-Kristu Yesu.

2 Utî nezinto owazivayo kum ngamanqîna amaninzi, ezo uzibeke pâmbî kwabantu abatêmbêkileyo, bona baya kukulingana ukufundisa nabanye.

3 Wena ngoko bunyamezel' ububi, njengompûmi-mkôsi olungileyo ka-Kristu Yesu.

4 Akukô namnye utî opum' umkôsi azibijele ngemicimbî yobubomi, ukuze amkôlise lowo umnyulele ukupûm' umkôsi.

5 Nakuba-ke ubani esitî azame *emdlalweni*, akatîweswa sitsaba, ukuba akatânga azame ngokomtêtô.

6 Umlimi lowo ubulalekayo umelwe kukwamkela kuqala kwiziqâmo.

7 Ziqiqe izinto endizitêtâyo; i-Nkosi yokupâ-ke ingqondo ezintweni zonke.

8 Mkûmbûle u-Yesu Kristu, engovukileyo kwabafileyo, engowembêwu ka-Davide, ngokwendaba zam ezilungileyo;

9 Endiva ububi ngenxa yazo kude kuse ezintanjeni, njengomenzi wobubi, ke lona ilizwi lika-Tîxo alibotshiwe.

10 Ngenxa yoko izinto zonke ndiyazinyamezela ngenxa yabo abanyulwa, ukuze nabo bamkele usindiso oluku-Kristu Yesu ndawonye nozuko olungunapâkade.

11 Litêmbêkile ilizwi-eli; Kuba xa safa naye, sodla ubomi kwandawo-nye *naye;*

12 Ukuba siyanyamezela, solaula kwandawo-nye *naye;* ukuba siyamkânyela, naye wosikânyela;

13 Ukuba asitêmbêkile, yena uhlala etêmbêkile; akanakô ukuzikânyeza.

14 Bakûmbûze ezozinto, uqonqnondise emehlweni e-Nkosi, ukuba kungenziwa mfazwe yamazwi angancedi luto, kuze kubûkuqeke abapûlapûli.

15 Kukûtâlele ukuzimisa pâmbî ko-Tîxo ucikidekile, ungumsebenzi onge nazintloni, ulungisa ukulahlula ilizwi lenyaniso.

16 Ke, zona intêtô ezingento ezihlambêlayo, zinxweme; kuba baya kuhambela pâmbîli kokukôna kungahlôneli-Tîxo.

17 Nelizwi labo liya kudla njengesilonda esiqênqetayo; abano-Himeneyo no-Fileto,

18 Abatê bona bayipôsa inyaniso, besitî uvuko selutê lwakô, kananjalo belubûkuqa ukôlo lwenxenye.

19 Noko-ke limi litê-nqi ilityc lesiseko lika-Tîxo, linambâlo utî: I-Nkosi iyabazi abangabayo; notî: Mabasuke kuko ukungalungisi bonke abalibizayo igama lika-Kristu.

20 Ke, endlwin' enkulu akubikô zitya za-golide naza-silvere zodwa, kubakô nezomtî nezomdongwe; inxenye-ke zezembêko, inxenye azizembêko.

21 Ukuba ngoko umntu utê wazikûpûlula kwezonto, woba sisitya sembêko singcwalisiwe, simlungele kakuhle umnini-*ndlu*, silungiselwe wonke umsebenzi olungileyo.

22 Ke, zibaleke inkanuko zobutsha; pûtûma-ke ubulungisa, ukôlo, utândo, uxolo, nabo bayinqulayo i-Nkosi ngokwasentliziyweni ehlambûlukileyo.

23 Yimangale imibuzwana yobudenge e-

Digitized by Google

nge nangqeqesho, usazi ukuba izala imfazwe.

24 Ke, umkônzi we-Nkosi akamele kulwa, umel' ukuba nokutântamisa kubantu bonke, enokufundisa, enyamezela ububi,

25 Ubaqeqesha ngobulali abo bapîkayo; ukuba akangetî-na kanti u-Tîxo abapê inguquko esa ekuyazini inyaniso,

26 Babuye baqabuke, bapûme esibatêni sakê umtŷoli, ababanjiselwe ukutânda kwakê nguye.

3 Ke kwazi oku, ukuba ngemihla yokugqibela kuya kufika amaxesha anomngcipêko.

2 Kuba abantu baya kuba ngabazitândayo, abatândi bemali, abaqânqalazi, abaratshi, abanyelisi, abangevi bazali, abangabuleliyo, abange ngcwele,

3 Abange nabubele, abange natafu, abatŷoli, abange nakuzeyisa, izibôja, abange nakutânda kulunga,

4 Abancetezi, izitŷutûtŷutû, abatîwelwale liratshi, abatândi beziyolo kunokuba batând' u-Tîxo,

5 Benokumila kokuhlonel' u-Tîxo, ukanti bayawakânyela amandla akô. Kwabo-ke kwebuka.

6 Kuba bapûma kwaba abo banyebelezela ezindlwini, batîmbê abafazazana abazono zizimfumbâ, bepêtwe zinkanuko ngenkanuko,

7 Behlala befunda, bangaze pôfu babe nakô ukufika ekuyazini inyaniso.

8 Kwa ngolohlobo-ke batî o-Yanes no-Yambres bamcâsa u-Moses, ngokunjalo nabo aba bayayicâsa inyaniso; bangabantu abonakele ingqiqo, abange nakucikideka ngakulo ukôlo.

9 Abayi kuhambêla pâmbîli ngakumbî; kuba ukungabi nangqiqo kwabo kuya kubonakala kubantu bonke, njengokuba kwaba njalo okwabaya.

10 Ke, wena uyilandile eyam imfundiso, ihambô, ingqibo, ukôlo, ukuzeka kade umsindo, utândo, unyamezelo,

11 Intshutshiso, intlungu ezinjengezo zandihlelayo kwa-Antiyokwe, e-Koniyo, e-Listra; ukutshutshiswa okunjengoko ndakutwalayo, yaza i-Nkosi yandihlangula kuko konke.

12 Nabo bonke-ke abatând' ukuhlala ngokuhlonel' u-Tîxo ku-Kristu Yesu baya kutshutshiswa.

13 Ke bona abantu abange ndawo nosiyazi, kukôna baya kuhambêla pâmbîli ebubini, belahlekisa belahlekiswa.

14 Ke wena yima ezintweni owazifundayo waqiniselwa kuzo, umazi owazifunda kuye;

15 Nokuba uzazê kwasebuntwaneni izibâlo ezingcwele, ezinakô ukukulumkisela elusindisweni ngokukôlwa ku-Kristu Yesu.

16 Sonke isibâlo sipêfumlelwe ngu-Tîxo-nje, sikwancedela ukufundisa, ukohlwaya, ukululeka, ukuqeqesha okusebulungiseni,

17 Ukuze umntu ka-Tîxo afaneleke, exôbele wonke umsebenzi olungileyo.

4 Ndiyaqonondisa mna ngoko emehlweni ka-Tîxo, ne-Nkosi *yetû* u-Yesu Kristu, oza kugweba abapîlileyo nabafileyo, kwa nangokubonakala kwakê nobukumkani bakê,

2 Livakalise ilizwi; *zingisa ukwenje njalo* ngamatûba alungileyo naxakileyo; yohlwaya, kâlimela, vuselela, unako konke ukuzeka kade umsindo nokufundisa.

3 Kuba kuya kubakô ixesha abangayi kuyinyamezela imfundiso epîlileyo; baya kusuka ngokwenkanuko zabo bazifumbêle abafundisi bebaba indlebe;

4 Babeya kuzisonga zimke indlebe kuvo inyaniso, bapâmbûkele-ke kuzo intsomi.

5 Ke wena yiba yincâtu ezintweni zonke, nyamezela ububi, umsebenzi womshumayeli wendaba ezilungileyo wenze, buzalise ubulungiseleli bakô.

6 Kuba mna senditûlulwa ngokomnikelo; nalo ixesha lokunduluka kwam likufupî.

7 Umzamo omhle ndiwuzamile, ugqatso ndilufezile, ukôlo ndilugcinile;

8 Okokugqibela ndibekelwe isitsaba sobulungisa, eya kundibuyisela ngaso ngalomini i-Nkosi umgwebi olilungisa, ingabi ndim ndedwa-ke, ibe ngabo bonke abakutândayo ukubonakala kwayo.

9 Kâuleza uze kum kamsinya;

10 Kuba u-Demasi wandishiya ngokutânda ipâkade langoku, waya e-Tesalonika; u-Kreske uye kwelase-Galati; u-Tito uye kwelase-Dalmati.

11 Ngu-Luka yedwa onam. Tâbatâ u-Marko uze naye; kuba unokundinceda kakuhle kumsebenzi wokulungiselela.

Digitized by Google

12 Ke, u-Tikiko ndamtûma e-Efeso.
13 Ingubo endayishiya e-Trowa ku-Karpo, uz'uyipâtê ekuzeni kwakô, nencwadi ezo, ngokukodwa ezezintsú.
14 U-Alesandire umkândi wobêdu wandenza into ezininzi ezimbí; yanga i-Nkosi ingambuyekeza ngokwemisebenzi yakê.
15 Mlumkele nawe; kuba wawacâsa kunene amazwi etû.
16 Kokokuqala ukuzipêndulela kwam akubangakô namnye unam, basuka bonke bandishiya; kwanga akungebalelwe kubo oko.
17 Noko-ke i-Nkosi yandinceda yandomeleza, ukuze ngam uvakaliso *lwendaba ezilungileyo* luzaliseke, nen-Tlanga zonke zive; ndaza ndahlangulwa emlonyeni wengonyama.
18 Isaya kundihlangula yona i-Nkosi kuwo wonke umsebenzi ongendawo, indisindisele ebukumkanini bayo obusezulwini; kuyo makubekô uzuko kuse emapâpâkadeni asemapâkadeni. Amen.
19 Bulisa ku-Priska no-Akwila, nakwindlu ka-Onesiforo.
20 U-Erasto wasala e-Korinte. Ke, u-Trofimo ndamshiya e-Mileto esifa.
21 Kâuleza uze kungekabi sebusika. U-yakubulisa u-Yubulo no-Pudens, no-Lino no-Klaudiya nabo abazalwana bonke.
22 I-Nkosi u-Yesu Kristu mayibe nomoya wakô. Ubabalo malube nani. Amen.

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KU-TITO.

ISIQENDU I.

U-PAULOS, umkônzi ka-Tîxo, umpostile-ke ka-Yesu Kristu, ngokokôlo lwabanyulwa baka-Tîxo nokuyazi inyaniso engokokuhlonela u-Tîxo,
2 Ngetêmbâ lobomi obungunapâkade, awatí u-Tîxo onge nakuxoka wabubeka idinga ngapâmbí kwamaxesha angunapâkade,
3 Walibonakalisa-ke ilizwi lakê ngamaxesha angawalo, ngokuvakalisa endakupâtíswayo mna, ngokommiselo wom-Sindisi wetû u-Tîxo;
4 *Ubâlela* u-Tito, umntwana wakê amzeleyo inene ngokokôlo olunobudlelane, *utí*, Makube lubabalo, nenceba, noxolo oluvela ku-Tîxo u-Yise, ne-Nkosi *yetû* u-Yesu Kristu, um-Sindisi wetû.

5 Ndakushiya e-Krete ngenxa yoku, ukuze uhambíse ukuzilungisa izinto eziseleyo, umise amadoda amakûlu kwimizi ngemizi, njengoko ndakumisela ngako mna;
6 Ukuba umntu ungonge nakumangaleleka, eyindoda yamfazi mnye, enabantwana abakôliweyo, abangamiselwa tyala lakuzibûbísa, abangaswele kutôbela mntu.
7 Kuba umveleli [1] umelwe kukuba ngonge nakumangaleleka njengegosa lika-Tîxo; angabi ngowenza ukuzitândela *kwakê;* angabi ngoqumbâ msinya, angabi ngogeziswa yi-wayini; angabi ngumbeti, angabi ngonxâmela nzuzo imbí;
8 Umelwe kukutí abe ngobuk' indwendwe, umtândi wokulungileyo, onesonti, olilungisa, ongcwele, onokuzeyisa;
9 Ebambêlele ezwini elitêmbêkileyo ngokwemfundiso, ukuze abe nakô ukuvusela ngayo imfundiso epílileyo nokubohlwaya badane abapíkayo.
10 Kuba baninzi abatêtí bento ezinge nto nabakôhlisi, abaswele intobeko, ngokukodwa abo bolwaluko,
11 Abamelwe kukuvingcwa imilomo; abatí izindlu zipêla bazibûkuqe, befundisa izinto ezingafanelekileyo ngenxa yenzuzo embí.
12 Watí omnye wabo, kwa um-profeti wakowabo: Ama-Krete ahlala engamaxoki, amafamncwa amabi, amadla-kudla angasebenziyo.

[1] U-Bishop.

Digitized by Google

13 Obobunqîna buyinene. Ngenxa yelitûba bohlwaye kabukâli badane, ukuze bapîle elukôlweni;
14 Banganyamekeli zintsomi zabu-Yuda, namitêtô yabantu abayinikela umva inyaniso.
15 Izinto zonke zihlambûlukile kwabahlambûlukileyo; kwabadyobekileyo nabangakôlwayo akukô nto ihlambûlukileyo; kusuke kwadyobeka nengqiqo nesazela sabo.
16 Bayavuma ukuba bayamazi u-Tîxo; kanti ngayo imisebenzi bayamkânyela, bengamasikizi, bengabangevayo, nakumsebenzi wonke olungileyo benge nakucikideka.

2 Ke, wena têtâ izinto eziyifaneleyo imfundiso epîlileyo:
2 Ukuba amadoda amakûlu abe zincâtu, andileke, abe nesonti, apîle elukôlweni, elutândweni, elunyamezelweni.
3 Ukuba abafazi abakûlu kwa ngokunjalo babe nesimilo esibafaneleyo abangcwele, bangabi ngabatŷoli; bangazilahleli kwi-wayini eninzi, bafundise okuhle;
4 Ukuze bayale abafazana ukuba babe nesonti, bawatânde amadoda abo, babatânde abantwana babo,
5 Babe nesonti, babe nyulu, basebenze ezindlwini zabo, babe nokulunga, bawatôbele awabo amadoda, ukuze ilizwi lika-Tîxo linganyeliswa.
6 Kwa ngokunjalo amadoda amatsha wayale ukuba abe nesonti.
7 Ezintweni zonke zenze umzekelo wemisebenzi emihle; emfundisweni ube ngomsulwa, ngondilekileyo,
8 Ngolizwi lipîlileyo linge nakugwetywa; ukuze ocâsayo abe nentloni, enge nanto imbî yakutêtâ ngani.
9 Amakôboka *watêtêle*, ukuba azitôbele inkosi zawo abe ngakôlekileyo kakuhle ezintweni zonke, engapîki;
10 Angashinti, asuke abonakalalise konke ukutêmbêka okulungileyo, ukuze ayivatîse imfundiso yom-Sindisi wetû u-Tîxo ezintweni zonke.
11 Kuba lubonakele kubantu bonke ubabalo luka-Tîxo lulo lusindisayo,
12 Lusiqeqesha ukuze sitî, sikuncama ukungahloneli-Tîxo nokukânuka oku kokwehlabatî, sihlale ngokunesonti nangokubulungisa nangokuhlonel' u-Tîxo, kwelipâkade langoku;
13 Silinde itêmbâ elinoyolo, nembônakalo yobuqaqauli bo-Tîxo omkûlu, um-Sindisi wetû u-Yesu Kristu,
14 Owazinikela ngenxa yetû, ukuze asikûlule ngokusihlaulela kuko konke ukucâs' umtêtô, azihlambûlulele abantu abangabakê abazondelela imisebenzi emihle.

15 Ezizinto zitêtê, uvuselele, wohlwaye ngawo wonke ummiselo. Makungabikô namnye ukudelayo.

3 Bakûmbûze, ukuba batôbele ozilauli nomagunya, bapûlapûle abapâtî, bawulungele wonke umsebenzi olungileyo,
2 Banganyelisi namnye umntu, bangabi nakulwa, babe nokutântamisa, bebonakala benobulali bonke kubantu bonke.
3 Kuba natî sibe sifudula singabasweli kuqonda, singeva, silahleka, sikônza inkanuko neziyolo ngeziyolo, sihleli ngolunya nomona, sinezotê, sitîyana.
4 Xenikweni-ke kwabonakalayo ukuba nobubele nokutând' abantu kom-Sindisi wetû u-Tîxo, *watî*,
5 Kunge ngokwasemisebenzini enobulungisa esayenzayo tîna, kungokwenceba yakê, wasisindisa ngokuhlambâ kokuzala okutsha nokuhlaziya ko-Moya Oyingcwele,
6 Awamtûlulayo pêzu kwetû ngokobutyebi, ngo-Yesu Kristu um-Sindisi wetû;
7 Ukuze sitî, sigwetyelwe ngobabalo lwalowo, sibe zindla-mafa zobomi obungunapâkade ngokwetêmbâ.
8 Litêmbêkile ilizwi-elo, nezozinto ndinga ungaziqinisela, ukuze banyameke benze imisebenzi emihle abo bakôliweyo ku-Tîxo. Ezozinto zintle zinokubanceda abantu.
9 Ke, yona imibuzo yobudenge, nemilibo yokuzalwa, nenkani, nokulwa ngawo umtêtô, zinxweme, kuba azincedi luto, asinto zanto.
10 Umntu ongumahlukanisi, akuba elulekwa kanye nokuba kukabini, mmangale;
11 Usazi ukuba onjalo ugwenxeke kwapêla, uyona, ezigwebile ngokwakê.

12 Xenikweni nditê ndatûma kuwe u-Artemas, nokuba ngu-Tikiko, kâuleza uze kum e-Nikopolis; kuba ndigqibe kwelokuba ndobudlulisa ubusika kôna apô.
13 U-Zenas umqondisi-mtêtô no-Apo-

Digitized by Google

los, baxôbisele indlela ngokunyameka, ukuze bangasweli nto.
14 Abetů mabafunde-ke ukwenza imisebenzi emihle yokunceda abaswele kanzima, ukuze bangabi ngabange nasiqâmo.
15 Bayakubulisa bonke abanam. Babulise abo basitândayo ngokwaselukôlweni.

Ubabalo malube nani nonke. Amen.

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KU-FILEMON.

U-PAULOS, umbanjwa ka-Kristu Yesu, no-Timoti umzalwana, *babâlela* u-Filemon oyintânda, osebenzisana natî,
2 No-Apiya intândakazi *yetů*, no-Arkipo umpûmi-mkôsi natî, nebandla elisendlwini yakô, *batî*,
3 Makube lubabalo kuni noxolo oluvela ku-Tîxo u-Bawo, ne-Nkosi yetů u-Yesu Kristu.

4 Ndihlala ndibulela kuye u-Tîxo wam, ndikukûmbûla emitândazweni yam,
5 Ndiluva-nje olwakô utândo nokôlo onalo kuyo i-Nkosi u-Yesu, nakubo bonke abangcwele,
6 Ukuze ubudlelane bokôlo lwakô bube nokusebenza ngokwazi konke okulungileyo okukuni, kuse ku-Kristu Yesu.
7 Kuba sinovuyo notůtůzeleko olukůlu ngalo utândo lwakô, ngokuba izibilini zabangcwele zipůnyuziwe ngawe, mzalwana.

8 Kungoko enditî, nakuba ndinako ukungafihlisi okukůlu ku-Kristu, kokuba ndikutêtêle okufanelekileyo,
9 Noko ngenxa yotândo ndisuke kanye, ndingonjengo-Paulos ixêgo, ndikubongoze, ngoku-ke ndikwangumbanjwa ka-Yesu Kristu.
10 Ndikubongoza ngenxa yomntwana wam, u-Onesimo, endimzeleyo ndisezintanjeni,
11 Obefudula engeluncedo lwanto kuwe, kodwa ngoku kuwe nakum unoncedo oluhle, lowo ndimbuyisele kuwe.
12 Wena-ke mamkele, oko kukutî, *yamkela* izibilini zam,
13 Ebendinga mna ndingasendihlala naye apâ, ukuze atî endaweni yakô andilungiselele ndisezintanjeni ngenxa yendaba ezilungileyo ezi;
14 Kodwa anditândanga kwenza nto ungatshongo wena, ukuze ukulunga kwakô kungangi kokokunyanzelwa, kube kokokuvuma.
15 Kuba mhlaumbî wahlukaniswa umzuzwana nawe ngenxa yoku, ukuze umzuze ngokwapâkade;
16 Engase njengekôboka, esuke wangapêzu kwekôboka, engumzalwana oyintânda ngokukodwa kum, kubeke pina-ke kuwe ngokwenyama nangokwe-Nkosi?
17 Ngoko-ke ukuba unobudlelane nam, mamkele njengam.
18 Ukuba wakôna, nokuba unetyala kuwe, oko kubalele kum.
19 Mna Paulos ndikubâle ngesam isandla ukutî, mna ndokuhlaula; endingatshoyo kuwe ukutî, kum unetyala elingapêzulu kwelinguwe ngokwakô.
20 Ewe, mzalwana, mandincedeke ngawe mna ngokwase-Nkosini: zipůmze izibilini zam ngokwase-Nkosini.
21 Ndikubâlele ndeyisekile kukundilulamela kwakô, ndisazi ukuba uya kwenza nangapêzulu koko ndikutêtâyo.
22 Kunye-ke noko ndilungisele indawo yokuhlala; kuba nditêmbîle ukuba ngayo imitândazo yenu nondipîwa.

23 Uyakubulisa u-Epafras, umbanjwa ndawo-nye nam wakwa-Kristu Yesu,
24 Kwa no-Marko no-Aristarko no-Demasi no-Luka, abasebenzisana nam.

25 Ubabalo lwe-Nkosi yetů u-Yesu Kristu malube nomoya wenu. Amen.

Digitized by Google

INCWADI KA-PAULOS UM-POSTILE KUMA-HEBERE.

ISIQENDU I.

U-TÎXO wayetêtile-nje kudala ngendawo ezininzi nangendlela ezininzi kobawo ngabo aba-profeti, utêtê ngalemihla yokugqibela kutî ngo-Nyana,

2 Awammisayo wayindla-mafa yento zonke, awatî kwa ngaye wayenza indalo yonke,

3 Otê, elubengezelo lobuqaqauli bakê nombâlo wenqu yakê, ezitwele nokuzitwala zonke izinto ngalo ilizwi lamandla akê, wesuka akuba eyenzile ngokwakê intlambûlulo yokusihlambûlula ezonweni, wahlala pântsi ngasekunene kobukûlu enyangweni,

4 Etê waba ngonamandla ngapêzu kwezitûnywa zezulu, ngangoko azuze ilifa legama eligqitiseleyo kunelazo.

5 Kuba sisipîna isitûnywa, awakâ watî kuso,

Ungu-Nyana wam wena,
Mna ndikuzele namhla? in-Dum. 2, 7.

Nokutî,

Mna ndiya kuba ngu-Yise wakê,
Yena abe ngu-Nyana wam?
2 Sam. 7, 14

6 Nangexa atî amngenise owamazibulo kwelimiweyo, utî, Maziqubude kuye zonke izitûnywa zika-Tîxo.

7 Okunene ngazo izitûnywa zezulu utî,
Ulozenza izitûnywa zakê omoya,
Nababusi bakê ilangatye lomlilo:
in-Dum. 104, 4.

8 Kodwa ngaye yena u-Nyana *utî*,
I-trone yakô, Tîxo, isa epâkadeni lasepâkadeni;
Yintonga etê-tye intonga yobukumkani bakô.

9 Watânda ubulungisa, watîya okungendawo;
Ngenxa yoko, u-Tîxo, u-Tîxo wakô ukutâmbîse
Nge-oli yomgcobo ngapêzu kowenu.
in-Dum. 45, 6. 7.

10 Abuye atî,
Ekuqalekeni, wena Nkosi, wawuseka umhlaba,
Nawo amazulu ayimisebenzi yezandla zakô;

11 Wona aya kutshabalala, ke wena uhlala uhleli;
Aye onke njengengubo eya konakala,

12 Nanjengesambâtô uya kuwasonga
Asuke abe ngawambî,
Ke wena ukwanguwe,
Nayo iminyaka yakô ayi kupêla.
in-Dum. 102, 25–27.

13 Sisipîna-ke isitûnywa, awakâ watî kuso,

Hlala ngasekunene kwam,
Ndide intshaba zakô ndizenze isi-tulo senyawo zakô? in-Dum. 110, 1.

14 Azingomoya ababusayo zonke-na, zitûnywe ukuba zilungiselele abo baza kuba zindla-mafa zalo usindiso?

2 Ngenxa yoko simelwe kuzinyamekela ngokugqitiseleyo izinto esazivayo, hleze sikûkuliswe simke kuzo.

2 Kuba ilizwi elatêtwa ngezitûnywa zezulu, ukuba laqina, kwatî konke ukugqita nokungeva kwamkela umvuzo oyeyeleyo:

3 Sotî-nina tîna ukusinda, sakuba siluhilizele usindiso olungakanana? lona lwaqalwa ukutêtwa yiyo i-Nkosi, lwaza lwaqiniselwa kutî ngabo ba*luvayo*;

4 U-Tîxo enqînelana nabo ngemiqondiso kwa nezimanga, nemisebenzi ngemisebenzi yamandla, nezabelo zo-Moya Oyingcwele, ngokokutânda kwakê.

5 Kuba akalitôbelanga pântsi kwezitûnywa zezulu elimiweyo eliza kubakô, eli sitêtâ ngalo.

6 Ke, wakâ wanqîna ubani, esitî,
Uyinto-nina umntu lento umkûmbûlelayo?
Unyana womntu lento umvelelayo?

7 Wamncipisa kancinane kunezitûnywa zezulu,
Wamtwesa uzuko nembêko,

Digitized by Google

Wammisa pêzu kwemisebenzi yezandla zakô;

8 Zonke izinto wazitôbela pântsi kwenyawo zakê. in-Dum. 8, 4-6.

Kuba ekubeni wazitôbela pântsi kwakê zonke izinto ezo, akashiyanga ntô ingatôtyelwanga pântsi kwakê. Kukaloku-ke asikaziboni zitôtyelwe pântsi kwakê zonke izinto.

9 Ke, sibona lo uncitshiswe kancinane kunezitûnywa zezulu, u-Yesu-ke, etê ngenxa yentlungu zokufa watwêswa uzuko nembêko, ukuze ngobabalo luka-Tixo eve ukufa ngenxa yabô bonke.

10 Kuba bekumfanele lowo, ezingenxa yakê zonke izinto-ezo, nezingaye zonke izinto-ezo, ekubeni ezise onyana abaninzi eluzukweni, ukutî ayenze ngentlungu igqibelele imbângi yosindiso lwabo.

11 Kuba lowo ungcwalisayo kwa nabo bangcwaliswayo bapûma kumnye bonke; ekungenxa yelitûba ange nazintloni ukubabiza ngokutî ngabazalwana,

12 Esitî,
Ndiya kulixela igama lakô kubo abazalwana bam,
Ndivume pâkatî kwebandla elokudumisa wena. in-Dum. 22, 22.

13 Abuye atî, Ndiya kukôlosa ngaye. Abuye atî, Yabona, mna nabantwana andinike bona u-Tixo.

14 Ekubeni ngoko abantwana-abo bengamadlelane *naye* ngenyama negazi, watî naye ngokwakê ngokukwanjalo wabelana *nabo* ngezonto, ukuze ngako ukufa ambângise lowo unamandla okufa, oko kukutî, umtŷoli-lo;

15 Abakûlule ebukôbokeni bonke abo babetê ngalo lonke ixesha lokudla kwabo ubom bazisulu zokoyika ukufa.

16 Kuba nditî, akatâbatêlanga kuye zitûnywa, utâbatêla kuye imbêwu ka-Abraham.

17 Ekutê ngoko wafanelwa kukuba afane nabazalwana bakê ngezinto zonke, ukuze abe ngonenceba, kwanombingeleli[1] otêmbêkileyo omkûlu ezintweni ezilunge ku-Tixo, ukuze azicamagushele izono zabantu.

18 Kuba ekubeni eve ubunzima, ehendiwe naye ngokwakê, unakô ukubasiza ababahendwayo.

3 Nditî ngoko, bazalwana bangcwele, mabelana ngobizo lwasezulwini, mo-

[1] Umenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

ndeleni um-Postile, um-Bingeleli[1] omkûlu wovumo lwetû, u-Kristu Yesu;

2 Etêmbêkile ,kulowo wamenzayo, kwanjengo-Moses ôndlwini Yakê ipêla.

3 Kuba lo ubalelwe ekutîni ufanelwe luzuko ôlungapêzu koluka-Moses, ngangokuba lowo wayakâyo enembêko engapêzu kwayo indlu.

4 Kuba yonke into eyindlu inoyakâyo; ke lowo wazakâyo zonke izinto ngu-Tixo.

5 Okunene no-Moses ebetêmbêkile endlwini Yakê ipêla ngokwesicaka, ukuze bube bunqîna-obo bezinto eziya kutêtwa;

6 Ke yena u-Kristu utêmbêke ngokonyana pêzu kwendlu Yakê; esiyindlu Yakê-ke tîna, ukuba singaba sitê sakubambâ ngokutê-nqi ukungafihlisi kwetû neqâyiya letêmbâ letû sada sesa ekupêleni.

7 Enditî-ke, njengoko atshoyo u-Moya Oyingcwele,
Namhla, ukuba nitê naliva izwi lakê,
8 Musan' ukuzenza lukûni intliziyo zenu,
Njengasengcapûkisweni, ngomhla wolingo entlango,
9 Apô bandilingayo oyihlo, bandicikida,
Bayibona imisebenzi yam iminyaka emashumi mane.
10 Kungoko ndaŕuqukayo sesosizukulwana,
Ndatî, Bahlala belahleka ngentliziyo,
Abazazi ke-bona indlela zam;
11 Njengoko ndafungayo ndinengqumbo,
Ndatî, Unakanye ukuba boka bangene ekupûmleni kwam.
in-Dum. 95, 7-11

12 Lumkani, bazalwana, hleze kubeke kubani wenu intliziyo engendawo engakolwayo, enokumka ku-Tixo opîlileyo;

13 Manivuselelane imihla ngemihla, xa kusatîwa kunamhla, ukuze kungabikho mntu kuni wenziwa lukûni kulukuhla kwesono.

14 Kuba siba ngamabelana ngo-Kristu ukuba singa sitê ingqalo yokukôlosa kwetû sayibambâ ngokutê-nqi sada sesa ekupêleni;

15 Ekubeni kusitîwa,
Namhla, ukuba nitê naliva ilizwi lakê,

[1] Umenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

Musan' ukuzenza lukûni intliziyo zenu, njengasengcapûkisweni.
in-Dum. 95, 7. 8.

16 Kuba batê abatîlê, bevile bacapûkisa, pôfu inge ngabo bonke abo bapûmayo e-Yiputa ngo-Moses.

17 Yayi ngobanina-ke awaŕuquka ngabo iminyaka emashumi mane? yabinge ngabo-na abo bônayo, bazidûmbû zawayo entlango?

18 Wafungela obanina-ke, ukuba abayi kungena ekupûmleni kwakê, inge ngabo abo bangevanga?

19 Siyabona-ke, ukuba bebenge nakungena ngenxa yokungakôlwa.

4 Masoyike ngoko, hleze kutî, ekubeni kusasele idinga lokungena ekupûmleni kwakê, kubekô bani kuni ungatî asilele.

2 Kuba sizishunyayeziwe indaba ezilungileyo kwa njengabo; latî kodwa ilizwi lodaba, lingadibananga-nje nokôlo kwabo balivayo, alabanceda nto.

3 Kuba tîna sakôlwayo, siyangena ekupûmleni, ngokoko atê,

Njengoko ndafungayo ndinengqumbô,
Ndatî, Unakanye ukuba boka bangene ekupûmleni kwam! in-Dum. 95, 11.

nakubeni imisebenzi yenziwayo kususela ekusekweni kwehlabatî.

4 Kuba waka watêtâ ngawo *umhla* wesixênxe ukutî, Waza wapûmla u-Tîxo ngawo umhla wesixênxe kuyo yonke imisebenzi yakê;

5 *Atî* kulê kananjalo,

Unakanye ukuba boka bangene ekupûmleni kwam.

6 Ekubeni ngoko kusalindele-ke ukutî kubekô batîle bangenayo kuko, baye abo, bashunyayezwayo indaba ezilungileyo kuqala, bengangenanga ngenxa yokungeva:

7 Ubuya amise mini itîle, esitî ngo-Davide, Namhla-nje, emveni kwexesha elingakanana, njengokuba kutîwe,

Namhla, ukuba nitê naliva izwi lakê,
Musan' ukuzenza lukûni intliziyo zenu. in-Dum. 95, 7. 8.

8 Kuba u-Yoshuwa, ukuba ubebapûmzile, ange engabuyanga atêtê ngawo omnye umhla.

9 Ngoko-ke balindwe kupûmla abantu baka-Tîxo.

10 Kuba lowo ungeneyo ekupûmleni kwakê, naye ngokwakê upûmle kuyo imisebenzi yakê, njengo-Tîxo kweyeyakê.

11 Masikûtêlele ngoko ukungena kokokupûmla, ukuze kungabikô namnye ubuy' eyele kwakulomzekelo wokungeva.

12 Kuba ilizwi lika-Tîxo lipîlile, lisebenza, libukâli ngapêzu kwamaŕele onke antlangotî mbîni, lihlaba lipûmele lide lahlule umpêfumlo kwa nomoya, amalungu kwa nomongo, linokugweba ingcingane nezicamango zentliziyo.

13 Kanjalo akukô sidalwa singabonakaliyo emehlweni akê; into zonke-ke zizé zityîlekile emehlweni alowo esinokutânani naye.

14 Ngoko sinombingeleli[1] omkûlu-nje, ocande emazulwini, u-Yesu-ke u-Nyana ka-Tîxo, masilubambê uvumo lwetû.

15 Kuba asinambingeleli[1] mkûlu unge nakô ukuvelana nezilwelwe zetû: ke, sinowahendwayo ngento zonke, ngokokufana natî, enge nasono.

16 Masisondele kengoko sinokungafihlisi kuyo i-trone yobabalo, ukuze samkeliswe inceba, sifumane ubabalo lokusiza ngexesha elililo.

5 Kuba wonke umbingeleli[1] omkûlu, engovele ebantwini-nje, umiselwa abantu ezintweni ezilunge ku-Tîxo, ukuze asondeze iminikelo kwa namadini ngenxa yezono,

2 Enokutântamisa kwabangazi nto nabalahlekayo, ekubeni naye ngokwakê enxitywe ubulwelwe;

3 Ngenxa yabo-ke ufanelwe kukutî, njengokuba esondezela abantu, kwa ngokunjalo azisondezele amadini ngenxa yezono.

4 Kanjalo akukô mntu uzitâbatêla ngokwakê imbêko-leyo, *oyitâbatâyo* ngobizwe ngu-Tîxo kwa njengo-Aron.

5 Ngokunjalo naye u-Kristu akazizukisanga ngokwakê, ukuba abe ngumbingeleli[1] omkûlu, *wazukiswa* ngowatêtâyo kuye, watî,

Ungu-Nyana wam wena,
Mna ndikuzele namhla; in-Dum. 2, 7.

6 Njengokuba esitî nakwenye indawo,
Wena ungumbingeleli[1] ngonapâkade
Ngokohlobo luka-Malkitsedeki.
in-Dum. 110, 4.

7 Owatî ngemihla yenyama yakê, xa wayesondeze izikûngo kwa nezibongozo

[1] Umenzelelili kwi-Test. endala, ngokunye um-pristo.

Digitized by Google

kulowo unakô ukumsindisa ekufeni, kunye nodanduluko olunamandla nenyembêzi, waviwa ngenxa yokumhlonela kwakê u-Tîxo;
8 Nakuba ebengu-Nyana, wafunda ukululama ngobunzima awabuvayo,
9 Waza egqibelele, waba yimbângi yosindiso olungunapâkade kubo bonke abamlulamelayo,
10 Ebizwe ngu-Tîxo, ukuba abe ngumbingeleli[1] omkûlu ngokohlobo luka-Malkitsedeki.

11 Esinendawo ezininzi zokutêtâ ngaye, ezilukûni ukucâzwa, ekubeni nina naba butûntu indlebe.
12 Kuba nakuba benifanele ukuba ngabafundisi ngenxa yokuba sekumzuzu *nakôlwayo*, nibuye naswel' umntu wokunifundisa iziqalelo zokuqala zezihlabo zika-Tîxo, nesuka naba ngabafanel' ukusezwa amasi, anaba ngabafanel' ukudla okuqinileyo.
13 Kuba bonke abasasezw' amasi abanamava elizwi lobulungisa; kuba bezintsana.
14 Kokwabakûlileyo-ke ukudla okuqinileyo, abo batî ngenxa yobugcisa, babe nemvo eziqêliselwe ukucalula okuhle kwa nokubi.

6 Enditî ngoko, masitî, siyeka elengqalo ilizwi elitêtâ ngo-Kristu, siqûbele kwelokukûla, singabuye siseke ngeloguquka, emisebenzini efileyo, nokukôlwa ku-Tîxo,
2 Ngelemfundiso yembâptizo, neyokubekwa izandla, neyovuko lwabafileyo, neyogwebo olungunapâkade.
3 Oko-ke sokwenza, ukuba angaba utê u-Tîxo wavuma.
4 Kuba abo bakâ bakânyiselwa, basiva isipô sasezulwini, baba ngamadlelana ngo-Moya oyi-Ngcwele,
5 Bayiva incasa yelizwi elihle lika-Tîxo kwa namandla epâkade eliza kubakô,
6 Baza babuya bařeqa: akunakwenzeka ukuba babuye bahlaziyelwe enguqukweni; ekubeni bepînda ukuzibetêlelela emnqamlezweni u-Nyana ka-Tîxo, bamhlaze ekuhleni.
7 Kuba umhlaba-lo uyiselayo imvula, eza futi pêzu kwawo, uvelise imifuno elungele bona abo ulinywa nokulinywa ngenxa yabo, wamkela intsikelelo ku-Tîxo;
8 Ke, otî uvelise imitâna enameva nenkunzane, awunto yanto, ukufupî nengqalekiso, esipêlo sisa ekutshisweni.

9 Ke, ngani nina zintânda, sikôlose ngelokutî, ninendawo ezilungileyo kunezo, indawo eziyelelene nosindiso, nakuba sisenje nje ukutêtâ.
10 Kuba akanantswela bulungisa u-Tîxo, ukude awulibale umsebenzi wenu nomzamo wotândo enalubonakalalisa kulo igama lakê, nabalungiselelayo-nje abangcwele, nisamana nibalungiselela.
11 Sinqwenela-ke, ukuba ulowo kuni alubonakalalise kwa ololukûtâlo, asingise kwinzaliseko yetêmbâ, ade ase ekupêleni.
12 Ukuze ningabi ngababutûntu, ke nibe ngabaxelisa abo, batî ngokôlo nangokunyamezela bawadla ilifa amadinga.

13 Kuba watî u-Tîxo, akumbeka ngedinga u-Abraham, ekubeni bekungekô namnye umkûlu kunaye angamfungayo, wazifunga yena,
14 Esitî, Inene, ndiya kutî ndisikelela ndikusikelele, nditî ndisandisa ndikwandise.
15 Waza ngokunjalo enokunyamezela, walifumanisa idinga.
16 Kuba abantu okunene bafunga lowo umkûlu kubo, sitî kubo isifungo sipêlise yonke impikiswano, sise engqinisekweni.
17 Utê ngoko u-Tîxo, enga angatî ngokukôna kugqitisileyo akubonakalalise kwindla-mafa zedinga ukungaguquleki kwecebo lakê, wasuka walamla ngesifungo;
18 Ukuze kutî, ngezinto ezimbîni ezinge nakuguquleka, ange nakô ukuxoka ngazo u-Tixo, sitî tîna basindileyo sabambâ itêmbâ elibekwe pâmbi kwetû, sibe novuselelo olunamandla.
19 Esinalo ngokwe-ankore yompêfumlo, inqabile, ikwaqinile, ingena iye ngapâya kwesikûselo;
20 Apô umanduleli u-Yesu wangena kôna ngenxa yetû, etê ngokohlobo luka-Malkitsedeki waba ngumbingeleli[1] omkûlu osa epâkadeni.

7 Kuba lo-Malkitsedeki, kumkani we Salem, mbingeleli[1] ka-Tîxo Osenyangweni, wahlangabezanayo no-Abraham

[1] Umenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

[1] Umenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

ebuya evela ekubulaleni okumkani, wamsikelela;

2 Awatî u-Abraham wamabela nesishumi sezinto zonke, (esitî okunene ukuqala ukutêtâ ngentetô evakalayo ngu-Kumkani wobulungisa, kodwa kamva abe nangu-Kumkani we-Salem, oko kukutî, ngu-Kumkani woxolo,

3 Enge nayise, enge nanina, enge namlibo wakuzalwa, enge nasiqalo samihla, enge nasipêlo sabomi, enziwe wafana naye u-Nyana ka-Tîxo,) uhleli engumbingeleli ' ngokungapêliyo.

4 Bonani-ke ukuba mkûlu kwalowo, watî u-Abraham umawokûlu wamnika nesishumi emaxôbeni awona alinqatâ.

5 Abo okunene bakonyana baka-Levi, babamkelayo ububingeleli,' banomtêtô wokubanga isishumi kubo abantu ngokomtêtô, oku kukutî, kubo abazalwana babo, nakuba bepûme esinqeni sika-Abraham;

6 Kodwa yena, onge namlibo wakuzalwa upûmayo kubo, ubange isishumi ku-Abraham, wasikelela lowo unamadinga.

7 Ke, ngokunge nakupîkwa encinane into isikelelwa yeyona inkulu.

8 Kananjalo apâ okunene ngabantu abanokufa abatâbatâ isishumi; kodwa kôna apô ngonqînelweyo ukuba udla ubomi.

9 Ukutsho-ke nditî, kubangwe ngo-Abraham isishumi naku-Levi, lo wamkelayo izishumi;

10 Kuba ube sesesinqeni sikayise oko u-Malkitsedeki wamhlangabezayo.

11 Kengoko ukuba okunene inzaliseko ibingabakô ngobubingeleli ' bakwa-Levi, (kuba umtêtô abantu bewuwiselwe ngenxa yobubingeleli,') bekusafaneka nganto-ninake, ukuba kubuye kuvele mbingeleli ' wumbî ngokohlobo luka-Malkitsedeki, angabizwa ngokohlobo luka-Aron?

12 Kuba, ububingeleli baguqulwa-nje, kufuneka ukuba kuguqulwe nomtêtô.

13 Kuba lowo zitêtŵa ngaye ezizinto waye ngowasizwe simbî, ebekungekô namnye kuso ubesinyamekele isibingelelo.

14 Kuba kusekuhleni kanye, ukuba i-Nkosi yetû ipûme kwesika-Yuda isizwe, eso angatêtânga nto ngaso u-Moses ngobubingeleli.'

15 Kwaza kwasekuhleni ngakumbî, ukuba kuvela mbingeleli ' wumbî ngokokufana no-Malkitsedeki,

16 Ongatânga amiswe ngokomyalelo womtêtô ongowenyama, wamiswa ngokwamandla obomi obunge nakupêliswa.

17 Kuba enqîna ngokutî,
Wena, ungumbingeleli ' ngonapâkade
Ngokohlobo luka-Malkitsedeki.
in-Dum. 110, 4.

18 Kuba okunene kutshitshiswa umtêtô owandulelayo, ngenxa yokuswel' amandla nokungancedi luto kwawo;

19 (Kuba umtêtô lowo awuzalisanga nto,) ke kungeniswe pêzu *kwawo* elona têmbâ lilungileyo; esisondela ngalo kuye u-Tîxo.

20 Kanjalo ngangokuba engamiswanga, kungabangakô sifungo, (kuba bona aba okunene benziwe ababingeleli ' kungafungwanga;

21 Kodwa yena umiswe ngokufunga kwalowo watî kuye,
Yafunga i-Nkosi, ayi kuzohlwaya,
Wena ungumbingeleli ' ngonapâkade
ngokohlobo luka-Malkitsedeki);
in-Dum. 110, 4.

22 Ngangoko-ke u-Yesu waba ngummeli wowona ulungileyo umnqopîso.

23 Batê bona ababingeleli ' baba baninzi, ngenxa yokuba ukufa kwakungavumi ukuba bahlale behleli;

24 Ke yena, ngenxa yokuba ehleli ngonapâkade, unobubingeleli ' obunge nakudlula.

25 Kungoko anakô nokubasindisa kanye abo bezayo ngaye ku-Tîxo, ehlal' ehlelinje ukuba abatêtêlele.

26 Kuba ubesifanele umbingeleli ' omkûlu onjalo, ongcwele, onge nabubi, onge nabala, owahlukileyo kubo aboni, oté waba ngapézu kwawo namazulu;

27 Ekungafunekiyo ukuba atî imihla ngemihla, njengababingeleli ' abakûlu aba, anyuse kuqala amadini ngenxa yezono ezizezakê, andule ukunyusa ngenxa yezabantu, kuba oko wakwenza kwaba kanye ekuzinyuseni ngokwakê ngokwedini.

28 Kuba umtêtô umisa abantu benobulwelwe babe ngababingeleli ' abakûlu; ke lona ilizwi lesifungo, esingasemva komtêtô, *limise* u-Nyana egqibelele ngonapâkade.

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

8 Kekaloku, eyona nto iyintloko kwezizinto zitêtwayo yilé: Sinombingeleli [1] omkûlu onje, otê wahlala pântsi ngasekunene kwe-trone yobu-Kûlu emazulwini,
2 Ongumbusi wengcwele nowomnquba wenyaniso owamiswayo yi-Nkosi, awamiswa ngumntu.
3 Kuba wonke umbingeleli [1] omkûlu umiselwa ukuba asondeze iminikelo kwa namadini; ekutê ngenxa yoko kwafuneka ukuba naye lo abe nento ayisondezayo.
4 Kuba okunene ukuba ebe semhlabeni, ubengayi kukê abe mbingeleli,[1] bekô-nje ababingeleli [1] abayisondezayo iminikelo ngokomtêtô;
5 Bona batî bakônze umzekelo nesitûnzi sezinto zasezulwini, kwanjengokuba u-Moses wayehlatyelwe ngu-Tîxo, xa abeza kuwufeza umnquba; kuba watî: Kângela ukuba uzenze zonke izinto ngokomfuziselo owawuboniswayo entabeni.
6 Kodwa kungoku uzuze umbuso ogqitiseleyo kulowo, kangangokuba engumlamleli womnqopîso olungileyo ngakumbî, wona usekwe pèzu kwawona madinga alungileyo.
7 Kuba lowo wokuqala, ukuba ubunge nakusoleka, ubungayi kufunelwa ndawo owesibini.
8 Kuba utî kubo esola,
Yabona, kuza imihla, itsho i-Nkosi,
Endiya kuzalisekisa pèzu kwendlu ka-Sirayeli napêzu kwendlu ka-Yuda umnqopîso omtsha;
9 Ungahambî ngokomnqopîso endawenzela oyise
Mini ndababambâ ngesandla, ukuba ndibakûpê emhlabeni wase-Yiputa;
Ngokuba bengahlalanga emnqopîsweni wam bona,
Ndaza nam andabakâtêlela, itsho i-Nkosi;
10 Ngokuba nangu wona umnqopîso, endiya kuwenzela indlu ka-Sirayeli
Emva kwalomihla, itsho i-Nkosi;
Ndiya kutî, ndiyibeke imitêtô yam engqondweni yabo,
Ndiyibâle ezintliziyweni zabo,
Ndibe ngu-Tîxo kubo,
Nabo babe ngabantu kum;
11 Kanjalo abayi kukê bafundise elowo umelwane lwakê,
Elowo umzalwana wakê, esitî, Yazi i-Nkosi;
Ngokuba baya kundazi bonke,
Betâbatêla komncinane wabo base komkûlu wabo;
12 Ngokuba ndiya kukuxolela ukungalungisi kwabo,
Nezono zabo nokucâs' umtêtô kwabo ndingabi sakukûmbûla.

u-Yer. 31, 31-34.

13 Ngokut' oku, Omtsha, uwalupâlisile owokuqala. Ke lonto yalupêleyo yalixego selisondele ekutîni-shwaka.

9 Kengoko nowokuqala umnqopîso wawunezimiselo zombuso, kwa nendawo engcwele yehlabatî.
2 Kuba kwakîwa umnquba-lowo, igumbî lokuqala lalinesipâtô sezibane, kwa ne-tafile, nesiboniso sezonka; lona kutiwa yingcwele.
3 Emva-ke kwesesibini isikûselo kwabakô umnquba lo kutîwa yi-Ngcwele kangcwele;
4 Unesibingelelo se-golide sokuqûmisa; nawo umkômbê womnqopîso walekwe nge-golide ngenxa zonke, unesitya se-golide ngapâkatî sine-mana, unentonga ka-Aron eyadubulayo, unawo amacwecwe omnqopîso;
5 Ke ngapêzu kwawo kwema i-kerubi zobuqaqauli zisibekele isicamagushlelo; izinto-ezo esinge nakutêtâ ngazo ngazinye ngoku.
6 Kekaloku, zakubon' ukuba zenziwe ngokunjalo czozinto, ababingeleli [1] bangena okunene amaxa onke kowokuqala umnquba beyifeza imibuso *ka-Tixo*.
7 Kodwa kowesibini *kungena* kube kanye ngomnyaka umbingeleli [1] omkûlu yedwa, engangeni enge nagazi, alisondezaye ngenxa yakê nangenxa yokungazi kwabantu;
8 Abe ngoku u-Moya Oyingcwele esazisa ukutî, indlela eya kweyona ngcwele ayikabonakalaliswa, umnquba wokuqala usemi;
9 Wona lo ungumzekeliso ozise exesheni elingeneyo, ekutî ngalo kusondezwe iminikelo kwa namadini, izinto ezo ezingenakô ngokwesazela ukumenza agqibelele lowo ukônzayo,
10 Ezitê ndawo-nye nezinto ezidliwayo neziselwayo, nentlambûlulo ngentlambu-

[1] Umcnzelelili kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

lulo, ezizizimiselo zenyama kupêla, zamiselwa ukuba kude kufike ixesha lolungiso.

11 Ke, yena u-Kristu efike wangumbingeleli[1] omkûlu wazo izinto ezilungileyo eziza kubakô, utê ngowona mkûlu ugqibeleleyo umnquba, onge nakwenziwa ngazandla, oko kukutî, onge ngowalendalo,

12 Wangena kwaba kanye kweyona ngcwele, kunge ngalo negazi le-bôkwe nelamatôle, kungegazi elilelakê, wafumana inkululo engunapâkade ngokusihlaulela.

13 Kuba, ukuba igazi lenkomo nele-bôkwe notûtû lwetôkazi olufefa abazinqambî, lungcwalisela ekuhlambûluleni inyama:

14 Lobeka pîna ukugqitisela lona igazi lika-Kristu, owazisondeza ngo-Moya ongunapâkade, enge nasipâko, kuye u-Tîxo, ukusihlambûlula isazela senu emisebenzini efileyo, ukuze nikônze u-Tîxo opîlileyo?

15 Nangenxa-ke yoko ungumlamleli womnqopîso omtsha, ukuze batî abo babiziweyo (kwakubon' ukuba kubekô ukufa okuhlaulela izigqito ezibe zipântsi kwawo umnqopîso wokuqala,) balamkele idinga lelifa elingunapâkade.

16 Kuba apô kukôyo umnqopîso womyoleli, kufuneka ukuba kucace ukufa kwalowo unqopîsileyo.

17 Kuba umnqopîso uqiniseka bakuba befile, ekubeni ungaze ube namandla xenikweni asadla ubomi lowo unqopîsileyo.

18 Ekutê ngoko nowokuqala awasungulwa kungekô gazi.

19 Kuba kutê, kwakubon' ukuba umtêtô wonke uxeliwe ngu-Moses ebantwini bonke ngokomyalelo, walitâbatâ igazi lamatôle nele-bôkwe ndawo-nye namanzi noboya obubomvu ne-hisope, wafefa incwadi ngokwayo kwa nabantu bonke,

20 Esitî: Eli ligazi lawo umnqopîso aniwisele umtêtô ngawo u-Tîxo.

21 Nomnquba-ke nazo zonke impahla zombuso wazifefa ngokunjalo ngegazi.

22 Kananjalo ngokomtêtô ndingade nditî zonke izinto zipânts' ukuba zihlanjululwe ngegazi, kungapâlalanga gazi, akubikô kuxolelwa.

23 Kwafuneka ngoko, ukuba okunene izizekelo zezinto ezisemazulwini zihlanjululwe ngezinto ezinjalo, kodwa zona iziqu zazo ezasezulwini zihlanjululwe ngamadini alungileyo kunalawo.

24 Kuba u-Kristu akangenanga kweyona ngcwele inokwenziwa ngezandla, engumfuziselo weyinyaniso; ungene kulo izulu ngokwalo, ukuba abonakale ngoku ebusweni buka-Tîxo ngenxa yetû.

25 Kananjalo akangenanga ukuze azisondeze futî, njengokuba umbingeleli[1] omkûlu ebengena kweyona ngcwele iminyaka ngeminyaka enegazi lenye into;

26 Okanye ange emelwe kukuba abe ebeve ubunzima futî kuseloko lasekwayo ihlabatî. Ke, utê ngoku, ekufinyezweni kwawo amapâkade, wabonakalaliswa kwaba kanye, ukuba atshitshise isono ngelilelakê idini.

27 Ke, kwanjengokuba-ke abantu beniselwe ukuba bafe kube kanye, ize-ke emveni koko ibe ngumgwebo,

28 Ngokunjalo u-Kristu esondezwe kwaba kanye, ukuba asitŵale asisuse isono sabaninzi; uya kutî okwesibini ngapândle kwesono abonakale kwabo bamlindileyo, ezisa usindiso.

10 Kuba umtêtô, unesitûnzi-nje sodwa sezinto ezilungileyo eziza kubakô, unge naso sona isimilo sazo izinto, awuze ube nakô iminyaka ngeminyaka ngalomadini, bawasondeza ngokungapêliyo, ukubenza bagqibelele abo basondelayo;

2 Okanye ange engayekwanga-na ukusondezwa, ngenxa yokuba abo bakônzayo behlanjululwe-nje kwaba kanye bengasenasazela sazono?

3 Kusuke kuwo apô kubekô ukukûnjuzwa kwezono iminyaka ngeminyaka.

4 Kuba akunakwenzeka ukutî igazi lenkomo nele-bôkwe lisuse izono.

5 Kungoko akungena ehlabatîni, atî,
Akutândanga mbingelelo namnikelo wakudla,
Ke undilungisele umzimbâ;

6 Amadini atshiswayo kupêle nangawesono akukôliswanga ngawo:

7 Ndaza ndatî, Yabona, ndiyeza,
(Encwadini esongiweyo kubâlwe ngam,)
Ndiza kwenza ukutânda kwakô, Tîxo. in-Dum. 40, 6-8.

8 Esitî-nje ngentla: Imibingelelo nemi-

[1] Umcnzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

nikelo yokudla namadini atshiswayo kupêle nangawesono akuwatândanga, akukôliswanga ngawo, (wona lawo asondezwayo ngokomtêtô,)

9 Ubuye atî: Yabona, ndiza kwenza ukutânda kwakô, Tîxo. Ususa okokuqala, ukuze amise okwesibini.

10 Sitê ngokokutânda *kwakê* sangcwaliwa ngokusondezwa komzimbâ ka-Yesu Kristu kwaba kanye.

11 Wonke-ke ongumbingeleli[1] uma okunene imihla ngemihla ebusa, ewasondeza futî kwa wona lomadini ange nakô nakanye ukususa isono;

12 Kodwa yena lo, esondeze idini lalinye ngenxa yezono, usuke wahlala pântsi ngasekunene kuka-Tîxo ngokungapêliyo;

13 Okokugqibela elindê ukuba zide intshaba zakê zenziwe isi-tulo senyawo zakê.

14 Kuba ngamnikelo mnye ubenze bagqibelela ngokungapêliyo abo bangcwaliswayo.

15 Uyasinqînela-ke naye u-Moya Oyingcwele, kuba emveni kokuba etshilo ngenx' engapâmbîli ukutî,

16 Nangu wona umnqopîso, endiya kuwenza nabo
Emva kwalomihla, itsho i-Nkosi;
Ndiya kuyibeka imitêtô yam ezintliziyweni zabo,
Ndiya kuyibâla ezingqondweni zabo,

17 Izono zabo nokucâs' umtêto kwabo ndingabi sakukûmbûla.

u-Yer. 31, 33-34.

18 Ke apô uxolelo lwezonto lukôna, akusekô mnikelo ngenxa yesono.

19 Ngoko, bazalwana, sinokungafihlisinje ukungena kweyona ngcwele ngalo igazi lika-Yesu,

20 Ngendlela entsha epîlileyo awayisungulela tîna, ipûmela esikûselweni, oku kukutî, enyameni yakê;

21 Sinombingeleli[1] omkûlu-nje pêzu kwendlu ka-Tîxo;

22 Masisondele sinentliziyo eyinyaniso, sinenzaliseko yokôlo, sifefiwe intliziyo zetû, sisusiwe isazela esinge ndawo; masitî, sihlanjiwe-nje umzimbâ ngamanzi amhlope,

23 Silubambê uvumo lwetû lwetêmbâ lungabi nakuxengaxenga; kuba utêmbêkile lowo wabeka ngedinga;

24 Kanjalo masinyamekelane ukuba silolane elutândweni nasemisebenzini emihle;

25 Singakuhilizeli ukuhlanganisana kwetû, njengesiko labanye; masivuselelane, kube kokukôna, niyibona-nje ukuba imini-leyo iyasondela.

26 Kuba xa sitî sone ngabom, emveni kokuba sakwamkelayo ukwazi inyaniso, akusasele dini ngenxa yezono;

27 Sekusele-ke ukulinda okoyikekayo kakûlu umgwebo nomsindo womlilo oza kudla abo bacâsileyo.

28 Umntu obegiba oka-Moses umtêtô, ubebulawa kungekô tarn, ngezwi lamanqîna amabini nokuba matâtû;

29 Niba wobeka pîna-ke ukufanelwa kukubetwa okubi ngakumbî lo umnyatêlele pântsi u-Nyana ka-Tîxo, walibalela ekutîni liyinqambî igazi lomnqopîso atê wangcwaliswa ngalo, wamgxeka u-Moya wobabalo?

30 Kuba siyamazi lowo watshoyo ukutî: Impindezelo yeyam, kuya kubuyekeza mna, itsho i-Nkosi. Kananjalo watî: I-Nkosi iya kubagweba abantu bayo.

31 Kuyoyikeka-ke ukweyela ezandleni zo-Tîxo opîlileyo.

32 Zikûmbûzeni-ke imihla yangapâmbîli enakânyiselwa ngayo, nanyamezela umzamo omkûlu wentlungu;

33 Enapât' ukutî nenziwe isibonelo ngengcikivo kwa nembândezelo, napât' ukutî nibe ngamadlelana nabo bahambâ ngokunjalo.

34 Kuba navelana nam ndisezintanjeni, kananjalo nakwamkela ngovuyo ukupângwa kwempahla zenu, nisazi ukuba ninayo kuni ngokwenu emazulwini, eyona mpahla ilungileyo, ihlal' ihleli.

35 Musan' ukukulahla ngoko ukungafihlisi kwenu, kona kunokwamkela umvuzo omkûlu.

36 Kuba kufuneka ukuba nibe nomonde, ukuze nitî, nakuba nikwenzile ukutânda kuka-Tîxo, nizuzane nalo idinga.

37 Kuba kusaya kuba mzuzwana mncinanana,
Atî lowo uzayo afike, angalibali.

38 Ke lowo ulilungisa uya kudla ubomi obupûma elukôlweni; u-Hab. 2, 4
Ukuba-ke utê wahlehla, awukukôliswa nguye umpêfumlo wam.

u-Hab. 2, 3-4.

[1] Umenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

39 Ke tîna asingabahlehla baye entshabalalweni; singabokôlo olusa ekuzuzeni umpêfumlo.

11 Ukôlo-ke kukukôlosa ngezinto eziténjiweyo, kukweyiseka bubukô bezinto ezingabonwayo.

2 Kuba amanyange anqînelwa ngokuba nalo olo.

3 Ngokôlo siyaqonda ukuba indalo-le yonke yenziwe yabakô ngelizwi lika-Tîxo, ukuze izinto-ezi zibonwayo zibe azipûme kwezibonakalayo.

4 Ngokôlo u-Abeli wasondeza kuye u-Tîxo umbingelelo ogqitileyo kunoka-Kayin, awanqînelwa ngawo ukuba ulilungisa, u-Tîxo wayinqînelayo-nje iminikelo yakê; ngalo-ke efile-nje usatétâ.

5 Ngokôlo u-Enoki wafuduselwa *ezulwini* ukuba angaboni kufa; akabi nakufunyanwa-ke, ngenx' enokuba u-Tîxo wamfudusayo; kuba ngapâmbî kokufuduswa kwakê wanqînelwa, ukuba umkôlise kakuhle u-Tîxo.

6 Ke, lungekô ukôlo akunakubakô ukumkólisa kakuhle; kuba lowo uzayo ku-Tîxo, umelwe kukôlwa ukuba ukô, nokuba ungumvuzi wabo bamfunayo.

7 Ngokôlo u-Nowa, ehlatyelwe ngu-*Tîxo* ngazo izinto ebezingekabonwa, watî ngokoyika u-Tîxo wawakâ umkômbê wokusindisa indlu yakê, awatî ngalo waligweba ihlabatî, waba yindla-mafa yobulungisa obungokokôlo.

8 Ngokôlo u-Abraham, watî akubizwa, wakululamela ukuba apûme aye kulondawo abeza kuyamkela ukuba ibe lilifa; wapûma-ke, engazi kakuhle nalapô aya kôna.

9 Ngokôlo waba ngumpâmbûkeli emhlabeni wedinga, wanga ukowasemzini, ehleli eminqubeni ndawonye no-Isake no-Yakobi, bezindla-mafa zalo elodinga ndawonye naye;

10 Kuba wayewulindele umzi-lo uneziseko, uncîbi, umbângi, ingu-Tîxo.

11 Ngokôlo no-Sara ngokwakê wamkela amandla okumisa umzi, waza wazala seligqitile ixesha lokuba amitê, ekubeni wambalela ekutîni utêmbêkile lowo wabekayo ngedinga;

12 Kungoko kwazalwayo ngamnye, engofileyo-ke lowo, into engangenkwenkwezi zezulu ukuba yintabalala, nanjengentlabati eselunxwemeni lolwandle enge nakubalwa.

13 Aba bonke bafa ngokokôlo bengawafumananga amadinga; besuka bawabona kude, bakôlosa, batâkazela, bavuma ukuba bangabasemzini balundwendwe emhlabeni.

14 Kuba abo batêtâ izinto ezinjalo babonakalalisa ukuba banxâmele ikowabo.

15 Ke, ukuba okunene babekûmbûla elo babepûma kulo, ngebaba netûba lokubuyela *kulo*.

16 Kodwa ngoku bazolulela kwelona lilungileyo, oko kukutî, kwelasezulwini; kungoko u-Tîxo ange nazintloni ngabo ukuba kutîwe ungu-Tîxo wabo, kuba ebalungisele umzi.

17 Ngokôlo u-Abraham wamnikela u-Isake, akulingwa; waye owawamkelayo ngovuyo amadinga-lawo, enikela okupêla kwawamzalayo;

18 Ekwakutêtwe kuye *kwatîwa:* Iya kubizwa ngo-Isake imbêwu yakô,

19 Ecamanga ngokutî, u-Tîxo unakô ukuvusa nakwabafileyo; apô até ngoko wamzuza ngokomzekeliso.

20 Ngokôlo u-Isake wabasikelela u-Yakobi no-Esau ngazo izinto eziza kubakô.

21 Ngokôlo u-Yakobi utê, xa aqâukayo, wabasikelela onyana baka-Yosefu ngabanye, waqubuda esimelele ngentonga yakê.

22 Ngokôlo u-Yosefu utê, xa abûbâyo, wakukânkanya ukupûma konyana baka-Sirayeli, wawisa umtêtô ngawo amatâmbô akê.

23 Ngokôlo u-Moses utê, akuba ezelwe, wafihlwa inyanga zantatû ngabazali bakê, ngenx' enokuba bambona ukuba ungumntwana omhle, abasoyika isimiselo sokumkani.

24 Ngokôlo u-Moses utê, akuba mkûlu, akavuma ukubizwa ngokutî ungunyana wentombî ka-Faro;

25 Enyula kanye ukuba apâtwe kakubi ndawonye nabantu baka-Tîxo, kunokuba axâmle izono okomzuzwana;

26 Ekubalele ukungcikivwa kuka-Kristu kubububutyebi obungapêzu kobutyebi base-Yiputa, kuba wayekângele ukwamkela umvuzo.

27 Ngokôlo wayishiya i-Yiputa, akawoyika umsindo wokumkani; kuba warota, wanga uyambona lowo unge nakubonwa.

Digitized by Google

28 Ngokôlo uyenzile i-pasika nokutshizwa kwegazi, ukuze lowo wayewatshabalalisa amazibulo angabacûkumisi.

29 Ngokôlo baluwela u-Lwandle olubomvu, kwanga kuse*mhlabeni* owomileyo; atê ama-Yiputa, akukulinga oko, antywiliselwa.

30 Ngokôlo zawa indonga zase-Yeriko, zakuba zijikeleziwe imini ezisixênxe.

31 Ngokôlo u-Rahabi ihenyukazi akatshabalalanga nabo bangevayo, akuba ezamkele intlola ngoxolo.

32 Ndisatêtâ nto-nina? Kuba ndingapêlelwa lixesha ndibalisa ngo-Gidiyon, kwa no-Baraki no-Samson no-Dyafta, kwa no-Davide no-Samuweli nangabo aba-profeti;

33 Abatê ngokôlo beyisa izikumkani, basebenza ubulungisa, bazuzana namadinga, bavingca imilomo yengonyama,

34 Bacima amandla omlilo, basinda kwintlangotî zeřele, bomelela bebeswel' amandla, baba ngamagoña emfazweni, bagxota imikôsi yabasemzini.

35 Abafazi babazuza abafileyo babo bevukile; abanye-ke bambâtyulwa, bengalwamkelanga ukûlulo, ukuze bazuzane nolona luvuko lululo;

36 Bambî-ke benziwa intlekisa, batyakatywa, pêzu koko-ke baviswa imixokelelwane nentolongo;

37 Baxulutywa ngamatye; basafwa; bahendwa; bafa kubulawa ngeřele; bahambâ ngengubo zegusha nangengaga zebôkwe, beswele, bebandezelwe, bepâtŵe kakubi,

38 (Elalingabafanele ihlabatî,) bedinga kozintlango, nozintaba, nomiqolombâ, nakwiminxûma yomhlaba.

39 Aba-ke bonke batî, nakuba babenqînelwe ngalo ukôlo, abazuzana nalo idinga,

40 U-Tîxo esazalelele tîna ngeyona nto ilungileyo, ukuze bangenziwa bagqibelele ngapândle kwetû.

12 Ngako oko-ke sinelifu elingakanana-nje elisingqongileyo lamanqîna, masiti natî siwubekile nxamnye wonke umtŵalo, nako ukôna okunokusiñaula ngokusisulu, silubaleke ngomonde ugqatso olubekwe pâmbî kwetû,

2 Sise amehlo kuyo imbângi nomgqibelelisi wokôlo lwetû, u-Yesu, owatî, ngenxa yovuyo olwalubekwe pâmbî kwakê, wawunyamezela umnqamlezo, elidelile ihlazo, waza wahlala pântsi ngasekunene kwe-trone ka-Tîxo.

3 Ewe, mqondeni lowo ukunyamezeleyo ukumpîkisa okungaka kwaboni, ukuze ningadinwa itŷafe imipêfumlo yenu.

4 Anikacâsi kude kube segazini, nizamana naso isono;

5 Kananjalo senilulibele uvuselelo-olu lutêtâ kuni ngatî kukonyana, lutî:

Nyana wam, mus' ukukucekisa ukuqeqesha kwe-Nkosi,
Kananjalo ungatŷafi wakohlwaywa yiyo;

6 Kuba lowo imtândayo i-Nkosi iyamqeqesha,
Ibatyakatye-ke bonke onyana ebamkelayo. Imizek. 3, 11, 12.

7 Ukuba ninyamezela uqeqesho, u-Tîxo woba unipêtê njengonyana; kuba nguwupîna unyana ongaqeqeshwayo nguyise?

8 Ukuba-ke aniqeqeshwa, abatê baba ngamadlelane ngalo bonke, noba nina niyimigqakwe ngoko, aningonyana.

9 Kananjalo sibe sinabo obawo benyama okunene besiqeqesha, sabahlonela; asiyi kutî ngakumbî-na sitôbele u-Yise womoya bonke sidle ubomi?

10 Kuba bona okunene basiqeqesha imihla embâlwa ngokokuzitândela kwabo, kodwa yena usiqeqeshela okusilungeleyo, ukuze sahlulelane ngobungcwele bakê.

11 Lonke-ke uqeqesho okunene ngokwakaloku-nje alubonakali luluvuyo, lubonakala luyintlungu; kodwa kamva lubanika isiqâmo esiluxolo, oko kukutî sobulungisa, abo baqêlisiweyo lulo.

12 Kungoko nditî, Zimiseni izandla eziwileyo namadolo anedumbê;

13 Inyawo zenu nizenzele imizila etêtye ukuze into eqŵalelayo ingapâmbûki *endleleni*, kanye-ke ipîliswe.

14 Pûtûmani uxolo nabo bonke, nobungcwele, ekungekô namnye uya kuyibona i-Nkosi, enge nabo;

15 Nivelela, ukuze kungabikô bani usilelayo elubabalweni luka-Tîxo, kungabikô ngcambû yabuřaña itî ivele ihlume inikâtâze, batî abaninzi badyojwe yiyo;

16 Kungabikô bani ulihenyu, nokuba ngumhlambêli njengo-Esau, owatî ngenxa yentwana yokudla wanamisa ngobuzibulo bakê.

17 Kuba niyazi ukuba watî kamva, etânda ukuyidla ilifa intsikelelo, walahlwa;

Digitized by Google

kuba akafumananga tûba languquko, noko wayinxâmelayo ngenyembèzi.

18 Kuba anisondelanga ntabeni ipâtwayo, itshayo ngumlilo, nasitôkotôkweni, nabumnyameni, naluqwitèleni,
19 Nasandini saxilongo, nasitôngeni samazwi, abatê abo basivayo bacela kabukâli ukuba kungabi satêtwa lizwi kubo.
20 Kuba babenge nakukutwala oko babeyalwa ngako, nokuba itê inkomo yayicûkumisa intaba, ibiya kuxulutywa ngamatye, itî mhlaumbî ibinzwe ngomkônto;
21 Yaza lonto yabonakalayo yoyikeka, kangangokuba u-Moses atî, Ndiyoyika kakûlu, ndiyagubâ;
22 Nisuke nina nafika e-Tsiyon, entabeni nasemzini wo-Tîxo opîlileyo, kwi-Yerusalem yasezulwini, nakumawakawaka ezitûnywa zezulu,
23 Kwingqungqutêla, nakwibandla lamazibulo abâliweyo emazulwini, naku-Tîxo umgwebi wabo bonke, nakomoya bamalungisa agqibeleleyo,
24 Nakumlamleli womnqopîso omtsha u-Yesu, nakwigazi lokufefa, elitêtâ ezona zinto zilungileyo kunelika-Abeli.
25 Lumkani, ningamali lowo utêtâyo. Ukuba-ke abo bamalayo lowo wahlabayo izihlabo emhlabeni, abasindanga, kobeka pîna-ke ukugqitisela *kokungasindi* kwetû, tîna bamnikela umva lowo uhlaba esemazulwini!
26 Olizwi oko-ke lawuzamazamisayo umhlaba; ngoku ubeke ngedinga, esitî: Kusaya kuba ngumzuzwana endiya kutî mna ndinganyikimisi mhlaba wodwa, ndinyikimise nalo izulu.
27 Okukutî-ke: Kusaya kuba ngumzuzwana kubonakalalisa ukuguqulwa kwezinto ezizanyazanyiswayo, ngatî kokwezenziweyo, ukuze zihlale zona ezingenakuzanyazanyiswa.
28 Masitî ngoko, sisamkela ubukumkani obunge nakuzanyazanyiswa-nje, sibe nombulelo, simkônze ngawo u-Tîxo ngokukôlekileyo, sinokuhlonela nokoyika;
29 Kuba u-Tîxo wetû ungumlilo odlayo.

13 Utândo lobuzalwana maluhlale luhleli.
2 Musan' ukukulibala ukubuk' indwendwe; kuba ngokwenje njalo inxenye ibuke izitûnywa zezulu, ingazi.
3 Bakûmbûleleni abakônxiweyo, ninge nikônxiwe nani, nabo-ke bapâtwa kakubi, njengokuba nisemzimbèni nani.
4 Umtshato mawubekeke ngendlela zonke, nesilili masingadyojwa; ke abenza umbulo nabarexezi u-Tîxo uya kubagweba.
5 Isimilo senu masibe sesingatândi mali, yanelani zizinto ninazo; kuba etshilo yena ukutî: Andiyi kukê ndikuyekele; *wabuya* watî: Andiyi kukê ndikushiye,
6 Ngokokude somelele sitî,
I-Nkosi ilusizo lwam, andiyi koyika;
Wondenza nto-nina umntu?
in-Dum. 118, 6.

7 Bakûmbûleleni abakôkeli benu abalitêtâyo kuni ilizwi lika-Tîxo; nisingasinga upûmo lwehambô *yabo*, nixelise bona elukôlweni *lwabo*.
8 U-Yesu Kristu ukwanguye izolo, nanamhla, ase nakuwo amapâkade.
9 Musan' ukupêtshetwa zimfundiso ngemfundiso nezingezizo; kuba kuhle ukuba intliziyo iqine lubabalo; kungabi ngento ezidliwayo, abangancedekanga zizo abo bahambâ kuzo.
10 Sinesibingelelo tîna abange nagunya lakudla kuso abo bakônza umuquba.
11 Kuba ezonto zipîlileyo, zigazi lingeniswa ngenxa yesono kwezona ngcwele nguye umbingeleli[1] omkûlu, imizimbâ yazo itshiselwa ngapândle kweminquba.
12 Kungoko atê no-Yesu, ukuze abangcwalise abantu ngelilelakê igazi, weva ubunzima ngapândle kwesango.
13 Masipûme-ke ngoko siye kuye ngapândle kweminquba, sitwele ingcikivo yakê.
14 Kuba apâ asinamzi uhleliyo, sinxâmele lowo uza kuza.
15 Ngoko masitî ngaye sinyuse ngamaxesha onke kuye u-Tîxo umbingelelo wendumiso, oko kukutî, isiqâmo somlomo, olivumayo igama lakê.
16 Ke, ukwenza okuhle nobudlelane musan' ukukulibala; kuba imibingelelo enjalo uyakôliswa kakuhle yiyo u-Tîxo.
17 Batâmbêleni abakôkeli benu, nibatôbele; kuba bona abalali ngenxa yemipêfumlo yenu ngokwabaya kupêndula, ukuze bakwenze oko bevuyile, benganewini; kuba anisizakali kuko oko.

18 Sitândazeleni; kuba sikôlosekile ku-

[1] Umenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunyo um-priste.

Digitized by Google

kutĩ sinesazela esilungileyo, singa ezintweni zonke singahambâ kakuhle.
19 Ndiyavuselela-ke ngokugqitiseleyo, ukuba nikwenze oko, ukuze ndibuyiselwe kuni kamsinyane.

20 Kekaloku, u-Tĩxo woxolo, lowo wamvusayo kwabafileyo umalũsi omkûlu wezimvu, ngegazi lomnqopĩso ongunapâkade, i-Nkosĩ yetû u-Yesu,
21 Wanga anganilungisa nigqibelele emisebenzini yonke elungileyo, ukuze nikwenze ukutânda kwakê, esenza ngapâkatĩ kwenu oko kukôlekileyo emehlweni akê, ngo-Yesu Kristu; kuye makubekô uzuko luse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

22 Ndiyanivuselela-ke nina, bazalwana, linyamezeleni ilizwi lovuselelo-olu; kubake ndinibâlele ngokufutshane.
23 Yazini ukuba umzalwana *wetû* u-Timoti ukûlulwe; endotĩ, xa angaba utê wafika kamsinya, ndinibone ndinaye.

24 Babuliseni bonke abakôkeli benu, nabo bonke abangcwele. Bayanibulisa abavela e-Italiya.

25 Ubabalo malube nani nonke. Amen.

INCWADI YOM-POSTILE

U-YAKOBI

KUBO BONKE.

ISIQENDU I.

U-YAKOBI, umkônzi ka-Tĩxo ne-Nkosi u-Yesu Kristu, *ubâlela* izizwe ezilishumi elinazibini ezizintsali, ebulisa.

2 Kubaleleni ekutĩni kuluvuyo olukûlu, bazalwana bam, xa nitê nagaxeleka ezilingweni ngezilingo,
3 Nisazi-nje ukuba ucikido lokôlo lwenu lusebenza umonde.
4 Umonde-ke mawube nomsebenzi ozalisekileyo, ukuze nibe ngabazalisekileyo abagqibeleleyo, ningaswele nto.
5 Ukuba-ke ubani kuni uswele ubulumko, makacele ku-Tĩxo, onika bonke enge nakumbĩ engangcikivi, wobunikwa.
6 Ke, makacele ekôlwa, engatândabuzi; kuba lowo utândabuzayo ufana nokulatyuza kolwandle luqûtywa ngumoya, luntsileka.
7 Kuba lomntu makangabi uya kwamkela nto kuyo i-Nkosi.
8 Indoda empêfumlo umbâxa iyahlozinga kuzo zonke indlela zayo.

9 Ke, umzalwana otôbekileyo makaqâyise ngako ukupâkama kwakê;
10 Osityebi-ke *makaqâyise* ngako ukutôbeka kwakê; ngokuba uya kudlula njengentyantyambô yencâ.
11 Kuba liti lakupûma ilanga kunye nolopû, liyitshise incâ, ize-ke intyantyambô yayo ivutûluke, butĩ nobuhle bembonakalo yayo butshabalale; siya kwenje njalo nesityebi ukungcumbêka eluhambêni lwaso.

12 Inoyolo indoda ekunyamezelayo ukulingwa; ngokuba yotĩ, yakuba icikidekile, isamkele isitsaba sobomi, ebabeke ngedinga i-Nkosi abo bayitândayo.
13 Makungabikô namnye utshoyo ukutĩ akuhendwa, Ndihendwa kwa-Tĩxo; kuba u-Tĩxo akanakuhendeka kokubi, akahendi namnye-ke yena.
14 Elowo-ke uhendwa akutsalwa abanjiswe yeyakê inkanuko.
15 Itĩ inkanuko, yakuba itâbatĩle, izale isono; sitĩ-ke isono, sakuba sikûlelwe, sizale ukufa.

Digitized by Google

16 Musan' ukulahlekiswa, bazalwana bam bazintǎnda.
17 Sonke isipô esilungileyo naso sonke isipô esigqibeleleyo sesapêzulu, sihla sivela kuye u-Yise wezikânyiso, onge nabuyambô nasitûnzi sakujika.
18 Utândile wasizala ngelizwi lenyaniso, ukuze sibe yintlahlela yazo izidalwa zakê.

19 Ngoko-ke, bazalwana bam bazintǎnda, makatî umntu wonke enze msinya ukuva, enze kade ukutêtâ, enze kade ukuqumbâ;
20 Kuba ingqumbô yendoda ayisebenzi bulungisa buka-Tîxo.
21 Kungoko nditî, yitîni, nibubekile nxamnye bonke ubunyûkunyûku nokupûpûma ulunya, namkele ninobulali ilizwi elimiliselweyo kuni, elinakô ukuyisindisa imipêfumlo yenu.
22 Yibani-ke ngabenzi belizwi; ningabi ngabapûlapûli kodwa, nizidepîsela.
23 Ngokuba umntu ukuba ungumpûlapûli-nje welizwi enge menzi *walo*, lowo ufana nendoda eqiqa ubuso bayo bobuntu encwadini yokuzibona;
24 Kuba iyaziqiqa, imke, ilibale kwa oko ukuba ibi njanina.
25 Ke yena oqondela emtêtwêni ogqibeleleyo wayo inkululeko, ahlal' ehleli kuwo, lowo etê-nje akaba ngumpûlapûli olibalayo, esuke waba ngumenzi womsebenzi, yena uya kuba noyolo ekwenzeni kwakê.
26 Ukuba ubani kuni uba ungonqulayo, abe engalubambî ngomkâla ulwimi lwakê, elukuhla intliziyo yakê; unqulo lwalowo alunto yanto.
27 Unqulo lona oluhlambûlukileyo olungadyobekileyo pâmbî ko-Tîxo u-Bawo lulo olu: Kukuvelela inkedama nabahlolokazi embândezelweni yabo, kukuzigcina enge nabala kulo ihlabatî.

2 Bazalwana bam, musan' ukukupâtâ ngokukêta buso bamntu ukukôlwa yi-Nkosi yetû yozuko u-Yesu Kristu.
2 Kuba xa kutê kwangena endlwini yenu yesikûngu indoda enemisesane ye-golide, inengubo eqaqambîleyo; kwaza-ke kwangena ihlwempu linengubo ezimdaka;
3 Naza nakângela kulowo uvetê ingubo eqaqambîleyo, natî kuye, Hlala apâ kakuhle wena; natî kulo ihlwempu, Yima pâya wena, mhlaumbî, Hlala pânts' apâ ngasesi-tulweni senyawo zam:
4 Anicalulanga-na-ke pâkatî kwenu, naba ngabagwebi abanezicamango ezingendawo?
5 Yivani, bazalwana bam bazintǎnda! U-Tîxo akawanyulanga-na amahlwempu elihlabatî, ukuba abe zityebi zokôlo, nendla-mafa zobukumkani, awababeka ngedinga abo bamtândayo?
6 Ke nina nilihlazisile ihlwempu. Izityebi azinishicileli-na? zona azinifoleli ematyaleni-na?
7 Zona azilinyelisi-na igama elihle elo nabizwa ngalo?
8 Ukuba okunene niyawuzalisa umtêtô wakomkûlu ngokwesibâlo, esitî: Uz'ulutânde umelwane lwakô ngoko uzitânda ngako, niyatyapa;
9 Kodwa ukuba nikêta ubuso bomntu, nisebenza isono, niyohlwaywa ngumtêtô ngokwabagqiti.
10 Kuba yena oya kuwugcina umtêtô upêla, akûbeke mtêtwêni mnye unetyala layo yonke.
11 Kuba lowo watî; Mus' ukufexeza, ubuye watî: Mus' ukubulala. Ke, ukuba akufexezi, kodwa ubulala, seutê waba ngumgqiti-mtêtô.
12 Yitîni ukutêtâ, yitîni ukwenza, *nenze* njengabaza kugwetywa ngomtêtô wenkululeko.
13 Kuba umgwebo awukuba natafu kulowo ungenzanga nceba; kananjalo inceba iyawuqâyisela umgwebo.

14 Kunceda nto-nina, bazalwana bam, ukuba umntu utî unokôlo, abe imisebenzike enge nayo; lunakô yinina ukumsindisa ukôlo lwakê?
15 Ukuba-ke umzalwana nokuba ngudade batî bahambê zé, baswele ukudla imihla ngemihla,
16 Atî-ke omnye wenu kubo, Hambâni ninoxolo, yotâni, hlutâni, nibe-ke ningabaniki izinto ezo ziwufaneleyo umzimbâ, kunceda nto-nina?
17 Ngokunjalo nalo ukôlo, ukuba lutî lungabi namisebenzi, lufile ngokukokwalo.
18 Wosuka omnye, atî, Wena unokôlo, ke mna ndinemisebenzi; ndibonise ukôlo lwakô olungenamisebenzi yakô; nam ndokubonisa ngokwasemisebenzini yam ukôlo lwam.

Digitized by Google

19 Wena uyakôlwa ukuba u-Tîxo mnye, uyatyapa; nazo i-demon ziyakôlwa, zibe namanwele.

20 Uyatânda-na-ke ukwazi, mntundini ungento, ukuba ukôlo-olu, ingekô imisebenzi, lufile?

21 U-Abraham ubawo wetû akagwetyelwanga-na ngokwasemisebenzini, akumnikela u-Isake unyana wakê pêzu kwesibingelelo?

22 Uyabona ukuba ukôlo lwalusebenzisana nemisebenzi yakê, lwenziwa lwagqibelela ukôlo ngokwasemisebenzini;

23 Saza sazaliseka isibâlo esitî: Wakôlwa-ke u-Abraham nguye u-Tîxo; kwaza oko kwabalelwa ebulungiseni kuye, wabizwa ngokuba sihlobo sika-Tîxo.

24 Niyabona-ke ngoko, ukuba umntu uyagwetyelwa ngokwasemisebenzini; kungabi ngokwaselukôlweni lodwa.

25 Ngokunjalo-ke no-Rahabi ihenyukazi akagwetyelwanga-na ngokwasemisebenzini, akubamkela ngobubele abatûnywa, abakûpêle pândle ngayimbî indlela?

26 Kuba kwa njengokuba umzimbâ, ungekô umoya, ufile; ngokunjalo ukôlo, ingekô imisebenzi, lufile nalo.

3 Musan' ukuba ngabafundisi abaninzi, bazalwana bam, nisazi-nje ukuba siya kwamkela olona lukûlu ugwebo.

2 Kuba siyakûbeka kaninzi sonke. Ukuba umntu akakûbeki zwini, lowo uyindoda egqibeleleyo, enakô ukuwubambâ ngomkâla nawo umzimbâ upêla.

3 Yabona, sifaka imikâla emilonyeni yamahashe, ukuba asitâmbêle, siwajike umzimbâ wawo upêla.

4 Yabona, nayo imikômbê imikûlu kangaka-nje, iqûtywa-nje yimimoya enamandla, ijikwa ngomtî wokujika omncinanana, iye apô sukuba umlauli anxâmele ukuba ingaya ngakôna.

5 Ngokunjalo nalo ulwimi lulilungu elincinanana-nje, luyagwagwisa kakûlu. Yabona-ke; umlilo omncinane utshisa ihlatî elikûlu.

6 Nolwimi-olu ngumlilo, lihlabatî elizele kukungalungisi; lunjalo ulwimi ukuhlala pâkatî kwamalungu etû, lona luyawudyoba umzimbâ upêla, luyavutîse intenda yobomi, lona-ke luvutîswa sihogo somlilo.

7 Kuba zonke imvelo zezinto ezizitô zine, kwa nezentaka, nezezinambuzane kwa nezezinto eziselwandle ziyadanjiswa, kanjalo sezikê zadanjiswa yimvelo eyiyeyabantu;

8 Ke lona ulwimi alunaye noko amnye ebantwini onokuludambîsa; lubububi obunge nakubanjwa, luzele buhlungu obubulalayo.

9 Ngalo siyambonga u-Tîxo u-Yise, nangalo siyabaqalekisa abantu abenziwe ngokomfanekiso ka-Tîxo.

10 Kwakulomlomo-mnye kupûma intsikelelo nengqalekiso. Akufanelekile, bazalwana bam, ukuba ezizinto zibe nje.

11 Umtômbô umpompoza amnandi nařaŕa kwa ngeloliso linye yinina?

12 Unakô yinina, bazalwana bam, umkiwane ukuvelisa inkozo zomnquma? utî um-diliya *uvelise* amakiwane? ngokunjalo akukô namnye umtômbô ongavelisa amanzi amtyuba namnandi.

13 Ngubanina olumkileyo owaziyo kakuhle pâkatî kwenu? makayibonise imisebenzi yakê ngehambô entle enobulali bobulumko.

14 Ke, ukuba ninomona oŕaŕa neyelenqe entliziyweni yenu, musan' ukuyiqâyisela nokuyixoka inyaniso.

15 Obobulumko asibubo obuhla pêzulu, bobasemhlabeni, bobemvelo, bobe-demon.

16 Kuba apô kukôyo umona neyelenqe, kubakô isipîtîpîtî nemicimbî emibi yonke.

17 Ke bona ubulumko bapêzulu ukuqala bunyulu, buze bube boboxolo, buyancendezela, butôzame kakuhle, buzele yinceba neziqâmo ezilungileyo, abunankani, abunaluhanahaniso.

18 Isiqâmo-ke sobulungisa sihlwayelwa ngoxolo ngabo benza uxolo.

4 Zivela pîna imfazwe nokulwa pâkatî kwenu? aziveli-na apâ eziyolweni zenu, eziwapûmela umkôsi amalungu enu?

2 Niyakânuka, ningabi nakuzuza nto noko; niyabulala, nizonde, ningabi nakufumana nto noko; niyalwa, nenze imfazwe, ningabi nakuzuza nto-ke, ngenxa yokuba ningaceli.

3 Niyacela, ningamkeli noko ngenx' enokuba nicela kakubi, ukuze oko nikuceltêle iziyolo zenu.

4 Bařexezindini, bařexezikazindini, anazi-na ukuba ubuhlobo balo ihlabatî bubutshaba kuye u-Tîxo? Otê ngoko wanga angaba sihlobo salo ihlabatî, uzenz' utshaba luka-Tîxo.

Digitized by Google

5 Okanye niba isibâlo-esi sifumana sisitsho-na ukutí, Umoya owahlala ngapâkatí kwetú ulangazelela ukukwéleta?

6 Ke, ubabala kakúlu ngakumbí. Kungoko sitî, U-Tîxo uyabacâsa abaneratshi, ababahale abazitôbileyo.

7 Mtôbeleni ngoko u-Tîxo. Mcâseni-ke umtŷoli, wonibaleka.

8 Sondelani kuye u-Tîxo, wosondela kuni. Hlambúlulan' izandla, boni, nenze nyulu intliziyo, nina bampêfumlo umbâxa.

9 Yibani zindwayi, nikêdame, nilile: ukuhleka kwenu makujike kube kukêdama, nalo uvuyo lwenu lube kukutí-dakumbâ.

10 Zitôbeni emehlweni e-Nkosi, yonipâkamisa.

11 Musan' ukutêtâ okubi omnye ngomnye, bazalwana. Lowo utêt' okubi ngomzalwana, amgwebe umzalwana wakê, utêt' okubi ngomtêtô, agwebe umtêtô; ke, ukuba uyawugweba umtêtô, akumenzi wamtêtô, ungumgwebi.

12 Mnye ummisi-mtêtô, lowo unakô ukusindisa nokutshabalalisa; ungubanina wena umgwebayo omnye?

13 Wenaní kaloku, nina nitshoyo ukutí, Namhla, nokuba kungomso, siya kuya kulamzi, senze kôna unyaka ube mnye, sifwebe, sizuze;

14 Kanti nina aba anikwazi kakuhle okwangomso. Kuba buyinto-nina ubomi benu? bungumpúnga obonakala ixesha elincinane, uze-ke utí-shwaka.

15 Endaweni yokuba nitî, Ukuba i-Nkosi itê yatânda, sapîla, siya kwenza lento nalanto.

16 Ngoku-ke niqâyisa ngokuqânqalaza kwenu; konke ukuqâyisa okunjalo akundawo.

17 Ngoko kowaziyo ukenza okuhle angakwenzi, kulowo kusisono.

5 Wenaní kaloku, zityebi, lilani nenze isijwili ngenxwaleko zenu ezizayo.

2 Ubutyebi benu bubolile, nengubo zenu zidliwe ngamanundu;

3 I-golide ne-silvere yenu idliwe ngumhlwa; umhlwa wazo uya kuba linqína ngakuni, uyidle inyama yenu njengomlilo. Niziqwebele *ubutyebi* ngemini zokugqibela.

4 Yabonani, umvuzo wabasebenzi abavune amasimi enu, lowo ubandeziweyo nini, uyakâla; kwaye ukubómbôloza kwabavuni-abo kungenile ezindlebeni ze-Nkosi yemikôsi.

5 Nadla ubuncwane emhlabeni apâ, naxâmla iziyolo, nazondla intliziyo zenu njengamhla kuxéliweyo.

6 Namgweba, nambulala olilungisa; yena akanicâsa.

7 Nyamezelani ngoko, bazalwana, ide ifike i-Nkosi. Niyabona, umlimi uyasilinda isiqâmo sawo umhlaba esinexabiso elikúlu, anyamezele ngaso, side samkele eyapâmbîli neyasemva imvula.

8 Nyamezelani nani, zizimaseni intliziyo zenu, ngokuba ukufika kwe-Nkosi kusondele.

9 Musan' ukuba nesinqâla omnye komnye, bazalwana, ukuze ningagwetywa; yabonani, umgwebi umi.pâmbí komnyango.

10 Batâbatêni, bazalwana bam, aba-profeti ababetêtâ ngegama le-Nkosi babe ngumzekelo wokuva ubunzima nowokunyamezela.

11 Yabonani, sitî, banoyolo abo banyamezelayo. Unyamezelo luka-Yobi naluva, nesigqibo se-Nkosi nasibona, ngokuba i-Nkosi inemfesane enkulu, inenceba.

12 Kekaloku, ngapêzu kwento zonke, bazalwana bam, musan' ukufunga, nokuba lizulu, nokuba ngumhlaba, nokuba sesinye isifungo esiyini; makatí-ke u-ewe wenu abe ngu-ewe, no-hayi abe ngu-hayi, ukuze ningeyeli ekugwetyweni.

13 Kukô mntu-na pâkatí kwenu uva ububi? makatândaze. Kukô mntu-na unomxêlo owonwabileyo? makenze indumiso.

14 Kukô mntu-na ufayo pâkatí kwenu? makabizele kuye amadoda amakúlu alo ibandla, atândaze pêzu kwakê, akuba emtâmbîsile nge-oli, ngegama le-Nkosi;

15 Wotí umtândazo wokôlo umsindise umlali, i-Nkosi imvuse, nokuba ubetê wenza izono, wozixolelwa.

16 Xelelanani izipôso nitândazelane, u kuze nipîliswe. Sinamandla kakúlu isikúngo selungisa, siyeyisa.

17 U-Eliya waye ngumntu oluvo lunjengolwetú, watândaza umtândazo ukuba i-

Digitized by Google

ngani; ayana emhlabeni iminyaka emitâtû enenyanga ezintandatû.
18 Wabuya watândaza, laza izulu lanika imvula, umhlaba wavelisa isiqâmo sawo.

19 Bazalwana, ukuba utê omnye pâkatî kwenu walahleka enyanisweni, watî ubani wamguqula,
20 Makazi ukuba lowo wamguqulayo umoni ekulahlekeni kwake, woba usindise umpêfumlo ekufeni, wagubungela inkitâ yezono.

INCWADI YOKUQALA YOM-POSTILE U-PETROS

KUBO BONKE.

ISIQENDU 1.

U-PETROS, um-postile ka-Yesu Kristu, *ubâlela* abanyuliweyo abangabapâmbûkeli kwintsali ezikwelase-Ponto, kwelase-Galati, kwelase-Kapadoki, kwelase-Asiya nakwelase-Bitini,
2 *Abanyuliweyo* ngokokwazi kwenx engapâmbîli kuka-Tîxo u-Yise, ebungcweleni bo-Moya, kuse ekululamelem nasekufefweni kwegazi lika-Yesu Kristu, *utî*, Makwandiswe kuni ubabalo noxolo.

3 Makabongwe u-Tîxo, u-Yise we-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, otê ngokobuninzi benceba yakê, wasizala ngokutsha, ukuba sibe netêmbâ elipîlileyo ngokuvuka kuka-Yesu Kristu kwabafileyo,
4 Sîbe nelifa elinge nakonakala elinge nakudyobeka, elinge nakuguga, enligcinelweyo emazulwini,
5 Nina batê ngamandla ka-Tîxo ngokôlo balondolozelwa elusindisweni olulungiselwe ukutŷilwa ngexesha lokugqibela.
6 Enigcoba ngalo, nokuba nitê naba buhlungu umzuzwana ngoku, ukuba nimelwe kuko, pâkatî kwezilingo ngezilingo;
7 Ukuze ukucikideka kokôlo lwenu kufunyanwe kunqabile kakûlu ngapêzu kwegolide-le itshabalalayo, noko icikidwa ngomlilo, kuse kuyo indumiso nembêko nozuko ekutŷilekeni kuka-Yesu Kristu;
8 Enitê ningambonanga-nje, namtânda, enitî-ke nikôlwa kuye, noko ngoku ningamboniyo, nigcobe ngovuyo olungatêtekiyo oluzukisiweyo;
9 Nisamkela isipêlo sokôlo lwenu, usindiso-ke lwemipêfumlo yenu.
10 Usindiso abatê babuzisa bapêngulula kunene ngalo aba-profeti, ababeprofeta ngalo ubabalo olwamiselwa nina;
11 Bepêngulula ukuba wayesalatâ xesha linina linjanina u-Moya ka-Kristu awaye zinqînela kubo ngenx' engapâmbîli intlungu ezamiselwa u-Kristu nozuko olaye kuzilandela.
12 Abatŷilelwayo ukuba abazilungiselela bona ngokwabo, bazilungiselela tina-ke, izinto enizityelwayo ngoku ngabo banishumayezayo indaba ezilungileyo ngo-Moya Oyingcwele, owatûnywa uvela ezulwini. izinto-ke ezo ezizinqwenelayo izitûnywa zezulu ukuqondela kuzo.

13 Ngoko, bînqani izinqe zengqondo yenu, ninobuncâtu, nilutêmbê ngokugqibeleleyo ubabalo oluziswa kuni ekutŷilekeni kuka-Yesu Kristu;
14 Ngokwabantwana bolulamo, ningamilisi okwenkanuko zangapâmbîli ekungazini kwenu;
15 Nitî-ke, ngokokwalowo ungcwele wanibizayo, nibe ngcwele nani ngokwenu kuyo yonke ihambô,
16 Ngenx' enokuba kubâliwe *kwatîwa* Yibani ngcwele, ngokuba ndingcwele nina
17 Kanjalo ukuba nimnqula ngoko-Yihlo, lowo ugweba ngokowalowo umsebe-

Digitized by Google

nzi, engakêti buso, lihlaleni ixesha lokupâmbûkela kwenu apâ nizoyikela;
18 Nisazi-nje ukuba anihlaulelwanga nikûlulwe ngazinto zinakonakala ozi-silvere nozi-golide, kuyo ihambô yenu enge nto enayinikelwayo ngoyihlo;
19 Kwakungegazi elinqabileyo lika-Kristu, njengelemvana enge nasipâko, enge nabala;
20 Owaziwayo ngenx' engapâmbîli okunene ngapâmbî kokusekwa kwehlabatî, kodwa wabonakalaliswa ekugqibeleni kwamaxesha-la ngenxa yenu.
21 Nina nikôlwayo ngaye ku-Tîxo, owamvusayo kwabafileyo, wamzukisa, ngokokuze ukôlo lwenu netêmbâ lenu libe ku-Tîxo.
22 Niyenze nyulu-nje imipêfumlo yenu ngokuyilulamela inyaniso ngo-Moya, kuse ekutândeni abazalwana okunge naluhanahaniso, tândanani ngenyameko ngokwasentliziyweni ehlambûlukileyo;
23 Nizelwe-nje ngokutsha, kunge ngokwasembêwini enokonakala, kungokwasembêwini enge nakonakala, ngelizwi lika-Tîxo elipîlileyo elihleliyo ngonapâkade.
24 Ngenx' enokuba
Yonke inyama injengencâ,
Nabo bonke ubuqaqauli bomntu bunjengentyantyambô yencâ.
Incâ iyoma, ivutûluke nentyantyambô yayo;
25 Ke lona ilizwi le-Nkosi lihleli ngonapâkade. u-Yes. 40, 6-8.
Elo-ke lelilizwi lashunyayelwayo kuni ngendaba ezilungileyo.

2 Ngoko nilulahlile-nje lonke ulunya, nayo yonke inkohliso, nokuhanahanisa, nomona, nako konke ukutêtâ okubi,
2 Walangazeleleni ngokwentsana ezisand' ukuzalwa amasi angawelizwi, ange nankohliso, ukuze nikûle ngawo,
3 Ukuba okunene nikuvile, ukuba i-Nkosi inobubele.
4 Nisiza-nje kuyo, ililitye elipîlileyo, licekisiwe okunene ngabantu, kodwa linyuliwe ngu-Tîxo, linqabile;
5 Nani ngokwenu, njengamatye apîlileyo, yakêkani nibe yindlu eyiyeyomoya, isibingeleli[1] esingcwele sokunyusa imibingelelo eyiyeyomoya, eyamkeleka kakuhle kuye u-Tîxo ngo-Yesu Kristu.

6 Kungoko ikôyo nokubakô esibâlweni indawo etî,
Yabona, ndibeka e-Tsiyon ilitye lembômbô, elinyuliweyo, elinqabileyo;
Lowo ukôlwayo kuye akayi kukê adaniswe. u-Yes. 28, 16.
7 Kuni ngoko bakôlwayo liyimbêko; ke, kwabangevayo,
Ilitye abalicekisayo abakî,
Lelona laba yintloko yembômbô,
8 Ilitye-ke lokuwisa, iliwa-ke lokukûbekisa; in-Dum. 118. 22.
kwabo bakûbekayo, bengaliva ilizwi, into ke-leyo abamiselwe nokumiselwa yona.
9 Ke nina nisizukulwana esinyuliweyo, isibingeleli[1] esibukumkani, uhlanga olungcwele, abantu abayinqobo, ukuze nivakalise isidima salowo wanibizayo ukuba nipûme ebumnyameni, ningene ekukânyeni kwakê okungummangaliso;
10 Enanifudula ninge bantu, ke ngoku ningabantu baka-Tîxo; enaningenzelwanga nceba, ke ngoku nenzelwe inceba.

11 Zintânda, ndiyanivuselela njengabapâmbûkeli nabasemzini, ukuba nikûmke ezinkanukweni ezizezenyama, zona ziwupûmele umkôsi umpêfumlo;
12 Ihambô yenu ibe ntle pâkatî kwenTlanga ukuze kulonto batêtâ okubi ngani, ngatî ningabenzi bokubi, batî ngokubona imisebenzi *yenu* emihle, bamzukise u-Tîxo ngomhla wokuvelelwa.

13 Wutôbeleni ngoko wonke ummiso ongowomntu ngenxa yayo i-Nkosi, nokuba ngukumkani, njengowongamileyo;
14 Nokuba ngabalauli, njengabatûnyiweyo nguye ukuze bapîndezele okunene kubenzi bokubi, ke badumise abenzi bokulungileyo.
15 Ngokuba ukutânda kuka-Tîxo kukuba nitî ngokwenza okulungileyo nibetê itîcwaka intswela-kwazi yabantu abazintsweli-kuqonda;
16 Nitî ningabakûlulekileyo-nje ningabi ngabayenza inkululeko ibe sisigqubutêlo sobubi, nibe ngabakônzi baka-Tîxo.
17 Bekani abantu bonke. Tândani isizalwana. U-Tîxo moyikeni. Ukumkani mbekeni.
18 Nina zicaka, batôbeleni ninako konke ukoyika abanikônzisayo, ingabi ngabalu-

[1] Isenzelelelî kwi-Test. endala.

Digitized by Google

ngileyo nabancendezelayo bodwa, ibe kwa nabagwenxa.

19 Kuba oku kuyabuleleka, ukuba umntu utwala intsizi, ngenxa yokumazi u-Tixo, eve ubunzima esoniwa.

20 Kuba kuya kuba ludumo lunina ukuba ninyamezele, nakuntlitwa nisona? ke ukuba nitî nisenza okulungileyo, nive ubunzima, nize ninyamezele: oko kuyabuleleka ku-Tixo.

21 Kuba nabizelwa oko; ngokuba no-Kristu weva ubunzima ngenxa yetû, esishiya nomzekelo, ukuze silandele emkôndweni wakê;

22 Ongenzanga sono, ekungafunyanwanga nkohliso emlonyeni wakê;

23 Obesitî, etshabîswa, angapîndezeli atshabîse, atî esiva ubunzima, angapîndezeli asongele; ke ubeyekele kulowo ugwebayo ngokobulungisa;

24 Owatî ngokwakê, izono zetû wazitwala ngomzimbâ wakê emtîni, ukuze sitî, sifile ngakwizono, sipîlele ebulungiseni, omivumbô yakê napîliswa ngayo.

25 Kuba beninjengezimvu zilahlekile, koko nisuke ngoku nabuyela kuye um-Alûsi nom-Veleli [1] wemipêfumlo yenu.

3 Ngokunjalo, nina bafazi, watôbeleni awenu amadoda, ukuze kutî, nokuba kukô kuwo angalivayo ilizwi, atî ngelambô yabafazi, lingekô ilizwi, azuzeke:

2 Ebonela ihambô yenu enyulu enoloyiko.

3 Ukuhombâ kwênu makungabi kokwangapândle kokulukwa kwenwele nokunxitywa kwe-golide nokwambâtwa kwengubo;

4 Makube kokomntu ofihlakeleyo wentliziyo *orêtê* ukungonakali, umoya onobulali, ozolileyo, oxabiso likûlu emehlweni ka-Tixo.

5 Kuba babefudula besenje njalo abafazi abangewele, abo babemtêmbîle u-Tixo, ukuhombâ kwabo, bewatôbele awabo amadoda;

6 Njengokuba u-Sara wamlulamelayo u-Abraham, embiza ngokutî yinkosi, eningabantwana bakê nina, nakuba nisenza okulungileyo, ningoyiki nto yetûsayo.

7 Ngokunjalo, nina madoda, hlalani nabo ngokokwazi, nimbeka umfazi, njengesona sitya si-etê-etê, njengendla-mafa kunye na*ni* zobabalo lobomi, ukuze imitândazo yenu ingatînteleki.

8 Elokugqiba, cingani nto nye nonke, velanani, tândanani njengabazalwana, yibani nemfesane kakûlu, yibani nobubele;

9 Ningabuyekezi ububi ngobubi, nokutshabîsa ngokutshabîsa; kanye-ke sikelelani nisazi ukuba nabizelwa oku, ukuze niyidle ilifa intsikelelo.

10 Kuba
Lowo unga angatânda ubomi,
Ayibone imihla elungileyo,
Makalupêzise ulwimi lwakê ebubini,
Nomlomo wakê ungatêtî inkohliso;

11 Makapâmbûke ebubini, enze okulungileyo;
Makafune uxolo, alupûtûme.

12 Ngokuba amehlo e-Nkosi apêzu kwamalungisa,
Nendlebe zayo zisingisele esikûngweni sawo;
Ke, ubuso be-Nkosi bupêzu kwabenza okubi. in-Dum. 34, 12-16.

13 Kananjalo ngubanina yena owonona, ukuba nitê naba ngabalandeli bokulungileyo?

14 Nokuba nitê neva ubunzima ngenxa yobulungisa, *ni*noyolo; musan' ukoyika ngokoyikisa kwabo, ningakâtâzeki nokukâtâzeka;

15 I-Nkosi-ke u-Tixo yingcwaliseni ezintliziyweni zenu, nihlale-ke nikulungele ukuzipêndulela kumntu wonke obuzayo kuni ilizwi, ngalo itêmbâ elingapâkatî kwenu, ninobulali noloyiko,

16 Ninesazela esilungileyo, ukuze kulonto banitêtêla okubi, ngatî ningabenzi bokubi, badane abo bayigxekayo ihambô yenu elungileyo ku-Kristu.

17 Ukuba-ke kungaba kukutânda kuka-Tixo ukuba nive ubunzima; okôna kunilungeleyo kukubuva nisenza okulungileyo, kunokubuva nisenza okubi.

18 Ngokuba no-Kristu wabuva kwa kanye ubunzima ngenxa yezono, ilungisa lisiva *ubunzima* ngenxa yabange malungisa, ukuze asisondeze kuye u-Tixo, ebulewe okunene esenyameni, kodwa edliswe ubomi ekuwo umoya,

19 Awatî ekuwo waya washumayela komoya abasenkônxeni,

20 Ababefudula bengeva, xenikweni ukuzeka kade umsindo kuka-Tixo kwakulindile ngemihla ka-Nowa, kwakubon' u-

[1] U-Bishope.

Digitized by Google

kuba kulungiswa umkômbê, ekwasindiselwa kuwo imipêfumlo embâlwa, oko kukutî esibôzo, ngamanzi;

21 Olusisindisayo ngawo natî ngoku ubâptizo ngokomfuziselo, olunge kuko ukulahla ubunŷukunŷuku benyama, olukukubuzisa ku-Tîxo kwesazela esilungileyo, ngokuvuka kuka-Yesu Kristu,

22 Osekunene kuka-Tîxo, eye ezulwini; kwakubon' ukuba kutôtyelwe pântsi kwakê izitûnywa zezulu nomagunya namandla.

4 Ekubeni ngoko u-Kristu eve ubunzima ngenxa yetû esenyameni, xôbani nani kwa longcingane; ngokuba lowo uve ubunzima esenyameni ukûnyulwe ekoneni;

2 Ukuze ixesha eliseleyo enyameni ningabi salipîlela ezinkanukweni zabantu, nilipîlele ekutândeni kuka-Tîxo.

3 Kuba lisanele ixesha elidluleyo lokupîla kwetû esasisenza ukutânda kwen-Tlanga, sasihambâ-nje ebufeletyweni, ezinkanukweni, ekutshisweni yi-wayini, ezindywaleni, emitâyini, nasekukônzeni izitîxo okunge kôna esikweni;

4 Abatê-nqa ngako, ukuba ningabaleki kunye nabo ukuya kwakuwo lo-melelo wokuzibûbîsa, benyelisa.

5 Abaya kupêndula kulowo ulungele ukugweba abapîlileyo nabafileyo.

6 Kuba ngenxa yoku zashunyayelwa indaba ezilungileyo nakwabafileyo, ukuze bagwetywe okunene ngokwabantu besenyameni, kodwa badle ubomi ngokuka-Tîxo bekuwo umoya.

7 Kekaloku, ukupêla kwezinto zonke kusondele. Yibani nesonti ngoko, nibe nobuncâtu, ukuba nitândaze.

8 Ngapêzu kwento zonke-ke yibani notândano olunyamekileyo, ngokuba utândo luya kugubungela inkitâ yezono.

9 Bukanani, ninge nakuroŕa.

10 Yitîni elowo, njengoko wasamkelayo isipô sokubabalwa nilungiselelane ngaso, njengamagosa amahle obabalo ngobabalo luka-Tîxo.

11 Ukuba umntu uyatêtâ, *makatêtê* ngokwezihlabo zika-Tîxo; ukuba umntu uyalungiselela, makalungiselele ngokwasekomeleleni akupîwa ngu-Tîxo, ukuze entweni zonke azukiswe u-Tîxo ngo-Yesu Kristu, elulolwakê uzuko namandla kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

12 Zintânda, musan' ukuwutêla-nqa umlilo okôyo pâkatî kwenu wokunilinga, ngatî nililelwa yinto yokutêlwa-nqa;

13 Yitîni, njengoko ningamadlelane ngentlungu zika-Kristu, nivuye, ukuze nasekutŷilekeni kobuqaqauli bakê nivuye nigcoba.

14 Ukuba niyangcikivwa ngenxa yegama lika-Kristu, ninoyolo; ngokuba u-Moya wozuko noka-Tîxo upûmle pêzu kwenu; ngokukokwabo okunene uyanyeliswa, kodwa ngokukokwenu uyazukiswa.

15 Makungabikô-ke bani kuni uva ubunzima ngokombulali, nangokwesela, nangokomenzi wobubi, nangokovelela izinto angatê-ni nazo.

16 Ukuba-ke *ubani* uva ubunzima ngokuba engum-Kristu, makangadani; makamzukise-ke u-Tîxo ngalondawo.

17 Ngokuba lixesha lokuba ugwebo luqale ngendlu ka-Tîxo; ukuba-ke luqala ngatî, koba yinto-nina ukupêla kwabo bangazivayo indaba ezilungileyo zika-Tîxo?

18 Kanjalo ukuba nelungisa-eli lisindiswa ngenkankulu, ongahloneli-Tîxo nongumoni woba pîna?

19 Ngoko-ke abo, babuvayo ubunzima ngokokutânda kuka-Tîxo, mabayiyaleze kuye imipêfumlo yabo, engum-Dali otêmbêkileyo ekwenzeni okulungileyo.

5 Amadoda amakûlu-la apâkatî kwenu ndiyawavuselela, ndikwayindoda enkulu kunye nawo, nenqîna lentlungu zika-Kristu nedlelane nawo ngobuqaqauli obuza kutŷileka;

2 Walûseni umhlambî ka-Tîxo opâkatî kwenu, niwuvelela, kunge ngakunyanzelwa, makube ngokokuzitândela; kunge ngenxa yenzuzo embi, makube ngokutûmekelela;

3 Kungabi njengabazigagamelayo izahlulo *zawo*, yibani yimizekelo kumhlambî.

4 Notî, akubonakala um-Alûsi oyintloko, nisifumane isitsaba salo uzuko esingabuniyo.

5 Ngokunjalo, nina manci, watôbeleni amadoda amakûlu. Tôbelanani nonkeke, ninxibe ukutôbeka kwentliziyo; ngokuba u-Tîxo uyabacâsa abaneratshi, ababale-ka abazitôbileyo.

Digitized by Google

6 Zitôbeni ngoko ngapântsi kwesandla esinamandla sika-Tixo, ukuze anipâkamise ngexesha elifanelekileyo;
7 Lonke ixâla lenu lipôseni pêzu kwakê, ngokuba yena enikâtâlele.
8 Yibani nobuncâtu, pâpâni; ngokuba ummangaleli wenu, umtŷoli, uhambâ njengengonyama egqumayo, efuna ubani angamginyayo;
9 Mcâseni lowo, nizimasekile elukôlweni, nisazi ukuba kwa ezontlungu ziyenzeka kubo abazalwana benu abasehlabatîni.
10 Kekaloku u-Tixo walo lonke ubabalo, owasibizelayo eluzukweni lwakê olungunapâkade, siku-Kristu Yesu, wanga angatî ngokwakê, nakuba nivê ubunzima umzuzwana, anilungise nigqibelele, anizimase, anomeleze, anisekele.
11 Kuye makubekô uzuko namandla kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.

12 Ngo-Silvano, umzalwana otêmbekileyo, njengoko ndicinga ngako, ndibâle kuni ngokufutshane, ndivuselela, ndinqîna ukuba olu lubabalo oluyinene luka-Tixo nimiyo kulo.
13 Liyanibulisa ibandla elise-Babeli, elinyuliweyo kunye nani, no-Marko unyana wam uyabulisa.
14 Bulisanani ngolwango lotândo.

Uxolo malube kuni nonke eniku-Kristu. Amen.

INCWADI YESIBINI YOM-POSTILE U-PETROS

KUBO BONKE.

ISIQENDU I.

U-SIMON Petros, umkônzi nom-postile ka-Yesu Kristu, *ubâlela* abo baluzuzileyo ukôlo oluxabiso lunye nolwetû, ebulungiseni buka-Tixo wêtu, um-Sindisi wetû u-Yesu Kristu,
2 *Uti*, Makwandiswe kuni ubabalo noxolo ngokumazi u-Tixo no-Yesu, i-Nkosi yetû.
3 *Nibona-nje*, ukuba amandla akê obu-Tixo asipîle zonke izinto ezisingise ebomini nasekuhloneleni u-Tixo, ngako ukumazi lowo wasibizayo ngozuko nesidima;
4 Esitê ngezonto sapîwa amadinga amakûlukazi anqabileyo, ukuze ngawo nibe ngamadlelane ngemvelo yobu-Tixo, nisinde ekonakaleni okukôyo ehlabatîni ngenkanuko.
5 Ewe, ngenxa yoko, nakuba niqokele ukukûtâla konke, yitîni elukôlweni lwenu nongezelele isidima; esidimeni-ke ukwazi;
6 Ekwazini-ke ukuzeyisa; ekuzeyisenike umonde; emondeni-ke ukuhlonela u-Tixo;
7 Ekuhloneleni-ke u-Tixo ukutânda abazalwana; ekutândeni-ke abazalwana ukutânda *abantu bonke*.
8 Kuba xa zikôyo ezozinto kuni, zisanda, zinenza ukuba ninganqeni, ningabi ngabaswel' isiqâmo ekuyazini i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.
9 Kuba lowo zingekôyo kuye ezozinto, uyimfama, ubona luzizi, ekulibele ukuhlanjululwa kwezono zakê zakudala.
10 Enditî ngoko, bazalwana, makube kukôna nikûtâlele ukulwenza luqine ubizo nonyulo lwenu; kuba nakuzenza ezozinto, anisayi kukê nikûbeke.
11 Kuba ngokunjalo nopîwa ngokobutyebi ukungena ebukumkanini obungunapâkade be-Nkosi yetû, um-Sindisi u-Yesu Kristu.
12 Kungoko ndingakuyekiyo ukuhlala ndinikûmbûza ngezozinto, noko nizaziyo,

Digitized by Google

nizimasekileyo enyanisweni-leyo ikôyo kuni.

13 Ndiba-ke kubulungisa, ukuba ngalogama ndikulomnquba, ndinivuse ngokunikûmbûza;

14 Ndisazi-nje ukuba kukufupî ukubekwa nxamnye kwalomnquba wam, njengokuba nayo i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu yandazisayo.

15 Kananjalo ndiya kukûtâlela-ke ukuba nibe nakô, amaxa onke emva kokumka kwam, ukuzikûnjuzwa ezozinto.

16 Kuba sitê, singalandelanga zintsomi zabuqinga, sanazisa amandla nokufika kwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, sitê saba ngababoneli bobungangamsha bakê.

17 Kuba wamkela ku-Tîxo u-Yise imbêko nozuko, ekuzisweni kuye bubuqaqauli obubalaseleyo izwi elinjengeli, Lo ngu-Nyana wam oyintânda, endikôlisiweyo mna nguye.

18 Nelozwi-ke saliva tîna, lisiza lipûma ezulwini, sinaye entabeni-leyo ingcwele.

19 Kanjalo sinalo nelona lizwi liqinisekileyo elilelobu-profeti, enitŷapayo ukulinyamekela, linjengesibane esikânyisa endaweni emnyama, kude kuse, lipûme ikwezi ezintliziyweni zenu;

20 Nisazi oku kuqala, ukuba sonke isiprofeto sesibâlo asibikô ngokuzicombululela.

21 Kuba akukânga kubekô si-profeto ngokutânda komntu; batî abantu abangcwele baka-Tîxo batêtâ beqûtywa ngu-Moya Oyingcwele.

2 Kekaloku, kwakukô naba-profeti ababuxoki pâkatî kwabantu, njengokuba napâkatî kwenu kuya kubakô abafundisi ababuxoki, bona baya kungenisa bucala amahlelo entshabalalo, bemkânyela u-Mnini-nto zonke owabatêngayo, bezizisela intshabalalo emsinya.

2 Baninzi abaya kulandela intshabalalo yabo, eya kunyeliswa ngenxa yabo indlela yenyaniso.

3 Batî benokubawa banibonelele ngamazwi alalanisayo, abakugwetywa kungapûmliyo kwakudala, nayo intshabalalo yabo ayozeli.

4 Kuba xa u-Tîxo angaziconganga izitûnywa zezulu ezônayo, wesuka watî ezilahlele enzonzobileni, wazinikela emixokelelwaneni yesitôkotôko, zigcinelwe umgwebo;

5 Naxa angaliconganga ihlabatî lakudala, wesuka waloudoloza u-Nowa, umvakalisi wobulungisa, enabasixênxe, akuba elihlisele unogumbê ihlabatî labangahloneli-Tîxo;

6 Xa atê nemizi yase-Sodom ne-Gomora wayitshisa yalutûtû, wayigweba ukuba ibûkuqeke, wayenza umzekelo wabaza kuba ngabangahloneli-Tîxo;

7 Wamhlangula u-Lote olilungisa, owacatshukiswa kukuhambâ ebufeletyweni kwabange nammiselo;

8 Kuba laye ngokubona nangokuva ilungisa-elo lihleli pâkatî kwabo imihla ngemihla, liwutûtûmbîsa umpêfumlo walo olungisayo ngemisebenzi *yabo* ecâsene nomtêtô:

9 Iyakwazi i-Nkosi ukubahlangula ekuhendweni abahlonel' u-Tîxo, ke abange malungisa ibagcinele imini yomgwebo, ukuba babetŵe;

10 Ngokukodwa-ke abo balandela inyama ngokukânuka ukuzidyoba, abadela ubukôsi. Ngabasileyo abenza ngokuzitândela, abangoyikiyo ukunyela izikâkâmela;

11 Ukanti izitûnywa zezulu, zingapêzulu-nje ngokomelela namandla, azizigwebi ngamgwebo unyelisayo pâmbî kwe-Nkosi.

12 Ke aba, njengezinto ezipîlileyo, ezinge nangqondo, ezizezemvelo, ezizalelwe ukubanjwa nokonakala, banyelisa izinto abangazaziyo, baya konakala kanye ekonakaleni kwabo,

13 Bazuzane nomvuzo wokungalungisi, njengababa buyolo ukudla ubuncwane okwemini enye, bengamabala nezipâko, bexâmla ubuncwane ngokulukuhla kwabo, bezinxâla ukudla ezidlweni nani;

14 Benamehlo azele lurexezo, ange nakupûnyuzwa esonweni, bebambîsa imipêfumlo enge nakuzimaseka, benentliziyo eqêliswe ukubawa, abantwana bengqalekiso;

15 Beyishiyile indlela etê-tye, balahleka, belandela indlela ka-Bileham oka-Behore, owatânda umvuzo wokungalungisi;

16 Wohlwaywa-ke ngokugqita kwakê umtêtô; latî *i-esile* linge nakutêtâ-nje latêtâ ngezwi lomntu, lamalela um-profeti-lowo, ukuba angabi nxamnye nengqondo.

17 Aba bayimitômbô enge namanzi, amafu aqûtywa luqŵitêla, besigcinelwe bona isitôkotôko sobumnyama ngonapâkade.

Digitized by Google

18 Kuba bevakalisa-nje indumbîsa zamazwi ange nto yanto; babambîsa ngenkanuko zenyama, ngobufeletyo, abo babesindile kanye kwabo bahambâyo ekulahlekisweni;

19 Bebatêmbîsa-nje inkululeko, bona ngokwabo bangabakônzi bokonakala; kuba lowo atî ubani eyiswe nguye, ukônzisiwe nokukônziswa kuye.

20 Kuba xa batî, besindile-nje kuzo izidyobo zehlabatî ngokuyazi i-Nkosi um-Sindisi u-Yesu Kristu, babuye-ke bazibijele ngazo, boyiswe zizo, zisuke izipêlo zabo zaba mandundu kuneziqalo zabo.

21 Kuba ngekubalungele kanye, ukuba bebengayazanga indlela yobulungisa, kunokuba batî beyazile, babuye umva bapûme kuwo umtêtô ongcwele abawuwiselwayo.

22 Bahlelwe-ke ngokomlinganiselo oyinene, otî: Inja ibuyele emhlanzweni wayo, nehangakazi eyahlanjwayo iye ekuzityikatyikeni eludakeni.

3 Ngoku ndinibâlela, zintânda, lencwadi iyeyesibini, enditî kuzo *zombîni* ndiyivuselele ingqondo yenu engcwengekileyo ngokunikûmbûza;

2 Ukuba niwakûmbûle amazwi abetêtîwe ngenx' engapâmbîli ngaba-profeti abangcwele, nawo umtêtô waba-postile betû be-Nkosi um-Sindisi;

3 Nikwazi-nje oku kuqala, ukuba kuya kuza ngemihla yokugqibela abagxeki, behambâ ngokwezabo inkanuko,

4 Besitî, Lipîna kaloku idinga lokufika kwakê? kuba kuseloko obawo balalayo ukufa, into zonke zahlala zihleli zinjengokwasekuqalekeni kwendalo.

5 Kuba oku kufihlakelę kubo ngokutânda kwabo, ukuba amazulu ayekô kwakudala, nomhlaba uvele emanzini, umi ngamanzi, ngalo ilizwi lika-Tîxo;

6 Elatî ngezonto ihlabatî laoko lantywiliselwa ngamanzi, latshabalala.

7 Ke wona amazulu angoku, nawo umhlaba-lo, kwa ngelolizwi aqwetyelwe, egcinelwe umlilo, kuse kwimini yomgwebo nentshabalalo yabantu abangahloneli-Tîxo.

8 Lento-ke inye mayingafihlakali kuni, zintânda, ukuba pâmbî kwe-Nkosi imini enye injengeminyaka eliwaka, neminyaka eliwaka injengemini enye.

9 I-Nkosi ayilibali dinga, njengoko abatîle baba iyalibala; isuka izeke kade umsindo kutî, ingangi kungatshabalala nabani, inga bonke bangasinga enguqukweni.

10 Iya kufika-ke imini ye-Nkosi njengesela ebusuku, aya kutî ngayo amazulu adlule eqûqûmbâ, zitî-ke iziqalelo zitshe, zicîtakale, nomhlaba nayo imisebenzi ekuwo itshiswe kutî-tu.

11 Ezozinto zonke ngoku zicîtakala-nje, nimele ukuba ngabanjanina ngehambô ezingcwele nokuhlonela u-Tîxo,

12 Nikulindela nikukâulezela ukufika kwayo imini ka-Tîxo, aya kutî ngenxa yayo amazulu efakwe isikûni acîtakale, zitî neziqalelo zitshe zinyibilike?

13 Tîna-ke ngokwedinga lakê silinde amatsha amazulu nomtsha umhlaba apô kumi ubulungisa.

14 Kungoko, zintânda, nilindele ezozinto-nje, kûtâlelani ukuba nifunyanwe kuye niseluxolweni, ninge nabala, ninge nasipâko.

15 Ukuzeka kade umsindo kwe-Nkosi yetû kubaleleni ekutîni lusindiso, njengoko wanibâlelayo nomzalwana wetû oyintânda, u-Paulos, ngokobulumko awabunikwayo;

16 Njengokuba nasezincwadini zakê zonke, etêtâ kuzo ngezondawo, ekukôyo kuzo zitîle ziqiqeka nzima, abatî abangafundileyo nabangazimasekileyo bazigqwetêle kokwabo ukutshabalala, njengokuba *bezenje njalo* nezinye izibâlo.

17 Nina ngoko, zintânda, nizazi-nje ngenx' engapâmbîli *ezozinto*, zigcineni okwenu, ukuze ningatî, nikûkuliswe lulahlekiso lwabange nammiselo, nipâlale kokukokwenu ukuqina.

18 Kûlani-ke elubabalweni nasekuvazini i-Nkosi yetû um-Sindisi u-Yesu Kristu. Kuye malubekô uzuko nangoku kuse nakwimini engunapâkade. Amen.

Digitized by Google

INCWADI YOKUQALA YOM-POSTILE U-YOHANE

KUBO BONKE.

ISIQENDU I.

OKO kwakukô kwasekuqalekeni, oko sikuvileyo, oko sikubonileyo ngawetû amehlo, oko sakukângelayo, zakupâtâ izandla zetû, okwelizwi labo ubomi,

2 (Obubom-ke babonakaliswa, sibubonile, siyabunqînela, siyabuxela kuni, ubomi obo bungunapâkade, bona obo bebukuye u-Yise, baza babonakaliswa kuti;)

3 Oko-ke sikubonileyo, sikuvileyo, siyakuxela kuni, ukuze nani nibe nobudlelane natî; baye-ke ubudlelane betû bunaye u-Yise, bunaye u-Nyana wakê u-Yesu Kristu.

4 Ezozinto sinibâlela ukuze uvuyo lwenu luzaliseke.

5 Lulo olu-ke udaba esiluvileyo kuye, esinityela lona, lokuba u-Tîxo ukukukânya, akukô bumnyama kuye nakanye.

6 Ukuba sitî sinobudlelane naye, sibe sihambâ ebumnyameni, soba siyaxoka, asiyenzi inyaniso;

7 Ke, ukuba sihambâ ekukânyeni, njengokuba yena esekukânyeni, soba sinobudlelane omnye nomnye, litî negazi lika-Yesu Kristu u-Nyana wakê lisihlambûlule kuso sonke isono.

8 Ukuba sitî asinasono, siyazikohlisa, inyaniso ayikô kutî.

9 Ukuba sitî sizivume izono zetû, utêmbêkile, ulilungisa ukuba asixolele izono *zetû*, asihlambûlule kukô konke ukungalungisi.

10 Ukuba sitî asonanga, simenza ixoki, ilizwi lakê alikô kutî.

2 Bantwanana bam, ndinibâlela eziznto, ukuze ningôni. Ukuba kukô otê wôna, sinom-Têtêleli kuye u-Yise, u-Yesu Kristu-ke ilungisa;

2 Yena ulucamagushelo lwezono zetû, enge lwazetû zodwa, ululo nolwezehlabatî lipêla.

3 Sazi ngalento ukuba simazile, ngokutî siyigcine imitêtô yakê.

4 Lowo utî, Ndimazile, abe engayigcini imitêtô yakê, ulixoki, kulowo ayikô inyaniso:

5 Ke otî aligcine ilizwi lakê, okwenyaniso utândo luka-Tîxo lugqibelele kulowo. Sazi ngalonto ukuba sikuye:

6 Lowo utî uhleli kuye, ufanele ukutî, njengoko wahambâyo yena, enje njalo ukuhambâ naye.

7 Bazalwana, andinibâleli mtêtô mtsha, ngumtêtô omdala ebe ninawo kwasekuqalekeni; umtêtô omdala-ke lilizwi enalivayo kwasekuqalekeni.

8 Ndibuye ndinibâlele umtêtô omtsha, okuyinene oko kuye nakuni; ngokuba ubumnyama buyadlula, kwaye ukukânya okuyinyaniso sekubonakala.

9 Lowo utî usekukânyeni, abe emtîyîle umzalwana wakê, usebumnyameni unangoku.

10 Lowo umtândayo umzalwana wakê, uhleli ekukânyeni, akanasikûbekiso.

11 Ke lowo umtîyileyo umzalwana wakê, usebumnyameni, uhambâ ebumnyameni, akazi apô aya kôna; ngokuba ubumnyama buwamfamekisile amehlo akê.

12 Ndiyanibâlela, bantwanana, ngokuba nizixolelwe izono zenu ngenxa yegama lakê.

13 Ndiyanibâlela, boyise, ngokuba nimazile owasekuqalekeni. Ndiyanibâlela, madodana, ngokuba nimeyisile ongendawo. Ndiyanibâlela, bantwana, ngokuba nimazile u-Yise.

14 Ndanibâlela, boyise, ngokuba nimazile owasekuqalekeni. Ndanibâlela, madodana, ngokuba nomelele, laye ilizwi lika-Tîxo lihleli kuni, nimoyisile-ke ongendawo.

15 Musan' ukulitânda ihlabatî, kwa ne-

Digitized by Google

zinto ezisehlabatîni. Ukuba kukô otî alitânde ihlabatî, utândo luka-Yise alukô kuye.

16 Ngokuba konke okusehlabatîni, inkanuko yenyama, nenkanuko yamehlo, noqânqalazo lobubomi, asikokupûma kuye u-Yise, kokupûma ehlabatîni.

17 Ihlabatî-ke liyadlula nenkanuko yalo; ke yena owenza ukutânda kuka-Tîxo uhleli ngonapâkade.

18 Bantwana, lixa lokugqibela-eli; njengoko nevayo ukuba umcâsi-kristu uyeza, nangoku kutê kwabakô abacâsi-kristu abaninzi, ekutê ngoko sazi ukuba lixa lokugqibela.

19 Bapûma kutî bebenge ngabo abetû; kuba ukuba bebe ngabetû, ngebahlalayo natî; bapûma ukuze babonakale, ukuba bonke bebenge ngabo abetû.

20 Nina ninentambîso evela k-Oyingcwele, niyazazi-ke into zonke.

21 Andinibâlelanga ngakuba ningayazi inyaniso, ndinibâlele ngokuba niyazi, nangokuba kungekô buxoki bupûma enyanisweni.

22 Ngubanina ixoki, inge nguye okânyelayo, ukuba u-Yesu unguye u-Kristu? lowo ungumcâsi-kristu omkânyelayo u-Yise no-Nyana.

23 Bonke abamkânyelayo u-Nyana, abanaye no-Yise.

24 Nina ngoko, oko nakuvayo kwasekuqalekeni, makuhlale kuni. Ukuba kutî kuhlale kuni oko nakuvayo kwasekuqalekeni, nani niya kuhlala kuye u-Nyana nakuye u-Yise.

25 Lilo eli ldinga, awalibekayo ngokwakê kutî, ubomi obungunapâkade.

26 Ezozinto ndinibâlele ngabo banilahlekisayo.

27 Nina intambîso enayamkelayo kuye ihleli kuni, aniswele kwakuba nifundiswe ngubani, kunjengokuba kwa lontambîso inifundisa ngento zonke, iyenene, inge buxoki, njengokuba-ke yanifundisayo, hlalani kuye.

28 Ngoku-ke bantwanana, hlalani kuye, ukuze xa atê wabonakalaliswa, sibe nokungafihlisi, singadani, simbaleke ekufikeni kwakê.

29 Ukuba niyazi ukuba ulilungisa, yazini ukuba bonke abenza ubulungisa bazelwe nguye.

3 Bonani utândo olungaka asenzele lona u-Yise, olu lokuba sibizwe ngokuba singabantwana baka-Tîxo. Ngenxa yoko ihlabatî alisazi tîna, ngokuba lingamazanga yena.

2 Zintânda, ngoku singabantwana baka-Tîxo, akukabonakali-ke into esiya kuba yiyo; ke, siyazi ukuba xa atê wabonakala, sofana naye; ngokuba siya kumbona njengoko anjalo.

3 Bonke abanalo elitêmbâ kuye, bazenza nyulu, njengokuba yena enyulu.

4 Bonke abasenzayo isono benza okucâsene nomtêtô; sona isono sikukucâsana nomtêtô.

5 Niyazi-ke ukuba yena wabonakaliswa, ukuze azitwale azisuse izono zetû; kananjalo akukô sono kuye.

6 Bonke abahlala kuye abôni; bonke abonayo abambonanga, abamazanga nokumazi.

7 Bantwanana, makungabikô namnye unikohlisayo; lowo ubenzayo ubulungisa lilungisa, njengokuba yena elilungisa;

8 Lowo usenzayo isono ungokamtŷoli; ngokuba umtŷoli wône kwasekuqalekeni. Wabonakaliselwa oku u-Nyana ka-Tixo, ukuze ayicîte imisebenzi kamtŷoli.

9 Bonke abazelwe ngu-Tîxo abenzi sono, ngokuba imbêwu yakê ihleli kubo; kananjalo abanakôna, ngokuba bezelwe ngu-Tîxo.

10 Babonakala ngalonto abantwana baka-Tixo, nabantwana bakamtŷoli. Bonke abangenzi bulungisa abangabaka-Tîxo, nalowo ungamtandiyo umzalwana wakê.

11 Ngokuba le yintshumayelo enayivayo kwasekuqalekeni, ukuba sitândane;

12 Singabi njengo-Kayin, obe ngowongendawo, wambulala umninawe wakê. Wambulalela-nina? Ngokuba imisebenzi yakê ibi ngendawo, ke yona eyomninawe wakê ibi nobulungisa.

13 Musan' ukumangaliswa, bazalwana bam, ukuba ihlabatî linitŷile.

14 Tîna siyazi ukuba sidlule ekufeni, sangena ebomini, ngokuba sibatânda abazalwana. Lowo ungamtândiyo umzalwana uhleli ekufeni.

15 Lowo umtîyileyo umzalwana wake uzibulala-mntu; niyazi ukuba akukô sibulala-mntu sinobom bungunapâkade buhleliyo kuso.

16 Ngalento silwazile utândo, kuba ye-

Digitized by Google

na wasincamela ubomi bakê, natî-ke sifanele ukubancamela abazalwana ubomi betû.

17 Osukuba-ke enayo impilo yelihlabatî, aze ambone umzalwana wakê eswele, azivalele imfesane zakê kuye, lutî-nina ukuhlala utândo luka-Tîxo ngapâkatî kwakê?

18 Bantwanana bam, masingatândi ngazwi nangamlomo, masitânde ngezenzo nangenyaniso.

19 Siyazi ngalento-ke ukuba singabenyaniso; siya kuzileleza intliziyo zetû pâmbî kwakê,

20 Ngokuba ukuba intliziyo yetû iyasigweba, u-Tîxo mkûlu kunentliziyo yetû, ezazi into zonke.

21 Zintânda, ukuba intliziyo yetû ayisigwebi, sinokungafihlisi kuye u-Tîxo;

22 Nesitî sikucele siyakwamkela kuye, ngokuba imitêtô yakê siyigcina, sizenze izinto ezikôlekileyo emehlweni akê.

23 Nguwo lo umtêtô wakê, ukuba sikôlwe ligama lonyana wakê, u-Yesu Kristu, sitândane, njengoko wasiwiselayo umtêtô.

24 Lowo uyigcinayo imitêtô yakê uhleli kuye, naye *uhleli* kulowo. Sazi ngalento-ke, ukuba uhleli kutî ngo-Moya-lo wasinikayo.

4 Zintânda, musan' ukukôlwa ngomoya bonke, bacikideni omoya ukuba ngabaka-Tîxo-na; ngokuba baninzi aba-profeti ababuxoki abapûme bangena ehlabatîni.

2 Mazini ngalento u-Moya ka-Tîxo: umoya wonke omvumayo u-Yesu Kristu eze esenyameni, ungoka-Tîxo;

3 Nomoya wonke ongamvumiyo u-Yesu Kristu eze esenyameni, asingoka-Tîxo; lo ngokamcâsi-kristu, lowo niwuvileyo ukuba uyeza, nangoku uselukô ehlabatîni.

4 Nina ningabaka-Tîxo, bantwanana, nibeyisile bona; ngokuba lowo ukuni nguyena mkûlu kunalowo usehlabatîni.

5 Bona ngabehlabatî; ngenxa yoko batêtâ okwehlabatî, ihlabatî liyabeva-ke.

6 Tîna singabaka-Tîxo, lowo umaziyo u-Tîxo uyasiva tîna; onge ngoka-Tîxo akasiva. Siwazi ngalonto umoya wayo inyaniso nomoya walo ulahlekiso.

7 Zintânda, masitândane; ngokuba utândo lwapûma ku-Tîxo; bonke abanotândo bazelwe ngu-Tîxo, bayamazi u-Tîxo.

8 Lowo unge nalutândo akazang' amazi u-Tîxo, ngokuba u-Tîxo ulutândo.

9 Kwabonakaliswa ngalento ukusitânda kuka-Tîxo, ngokutî u-Tîxo amtûme ehlabatîni u-Nyana wakê ekupêla kwamzeleyo, ukuze sidle ubomi ngaye.

10 Utândo lulapâ, inge kukuba samtândayo u-Tîxo tîna, ikukuba wasitândayo yena wamtûma u-Nyana wakê ukuba abe lucamagushelo lwezono zetû.

11 Zintânda, ukuba wenje njalo u-Tîxo ukusitânda, natî sifanele ukutândana.

12 Akukô namnye owakâ wambona u-Tîxo: ukuba sitî sitândane, u-Tîxo uhleli kutî, notândo lwakê lugqibelele ngapâkatî kwetû.

13 Sazi ngalento ukuba sihleli kuye, naye *uhleli* kutî; ngokuba usinike oko-Moya wakê.

14 Sibonile tîna, siyanqîna ukuba u-Yise umtûmile u-Nyana ukuba ngum-Sindisi wehlabatî.

15 Otê wavuma ukuba u-Yesu unguye u-Nyana ka-Tîxo: u-Tîxo uhleli kuye, naye uhleli kuye u-Tîxo.

16 Sikwazile tîna sakôlwa kukusitânda kuka-Tîxo. U-Tîxo ulutândo; lowo uhleli elutândweni uhleli kuye u-Tîxo, no-Tîxo uhleli kuye.

17 Lugqibelele ngalento utândo olukutî, ukuze sibe nokungafihlisi ngomhla womgwebo; ngokuba njengoko anjalo yena, sinjalo natî kwelihlabatî.

18 Akukô loyiko elutândweni; lusuka utândo olugqibeleleyo lulupôse pândle uloyiko; ngokuba uloyiko lunenkâtâzo; lowo-ke woyikayo akagqibelele elutândweni.

19 Tîna siyamtânda, ngokuba yena wasitânda kuqala.

20 Ukuba umntu utê, Ndiyamtânda u-Tîxo, wamtîya umzalwana wakê, ulixoki; kuba lowo ungamtândiyo umzalwana wakê ambonileyo, angatî-nina ukumtânda u-Tîxo angambonanga?

21 Nguwo lo umtêtô esinawo uvela kuye, ukuba atî lowo umtândayo u-Tîxo amtânde nomzalwana wakê.

5 Bonke abakôlwayo ukuba u-Yesu unguye u-Kristu, bazelwe ngu-Tîxo; bonke abamtândayo lowo wazalayo, bayamtânda nalowo uzelweyo nguye.

2 Sazi ngalento ukuba siyabatânda aba-

Digitized by Google

ntwana baka-Tixo, xa sukuba simtânda u-Tixo, siyigcina imitêtô yakê.

3 Kuba ukumtânda u-Tixo kuko ukutî siyigcine imitêtô yakê; ayinzima-ke imitêtô yakê.

4 Ngokuba konke okuzelweyo ngu-Tixo kuyaleyisa ihlabatî; lulo-ke olu uloyiso oluleyisayo ihlabatî, ukôlo lwetû.

5 Ngubanina lowo uleyisayo ihlabatî, inge nguye okôlwayo ukuba u-Yesu unguye u-Nyana ka-Tixo?

6 Lowo nguló wezayo ngamanzi negazi, u-Yesu Kristu; enge nawo amanzi odwa, enawo amanzi enalo igazi. U-Moya-ke unguló unqînayo, ngokuba u-Moya uyiyo inyaniso.

7 Ngokuba batâtû abo banqînayo [ezulwini, u-Yise, no-Lizwi, no-Moya Oyingcwele: abo batâtu banye.

8 Batâtû abo banqînayo emhlabeni,] u-Moya, namanzi, negazi: aba batâtû basingise ntweni-nye.

9 Ukuba ubunqîna babantu siyabamkela, ubunqîna buka-Tixo bungapêzulu; ngokuba bubo obu ubunqîna buka-Tixo anqînele u-Nyana wakê ngabo.

10 Lowo ukôlwayo kuye u-Nyana ka-Tixo unabo ubunqîna ngapâkatî kwakê; lowo ungakôlwayo nguye u-Tixo umenze ixoki; ngokuba engakôlwanga bubo ubunqîna abunqînele u-Nyana wakê u-Tixo.

11 Bubo obu-ke ubunqîna, ukuba u-Tixo usinike ubomi obungunapâkade, baye obobomi bukuye u-Nyana wakê.

12 Lowo unaye u-Nyana unabo ubom; lowo unge naye u-Nyana ka-Tixo akanabo ubom.

13 Ndinibâlele ezizinto nina nikôlwayo kwigama lo-Nyana ka-Tixo, ukuze nazi ukuba ninobomi obungunapâkade, nokuze nikôlwe kwigama lo-Nyana ka-Tixo.

14 Kukô oku ukungafihlisi esinakô kuye, ukuba sitî sicele into ngokokutânda kwakê uyasiva.

15 Ukuba siyazi okokuba uyasiva esisukuba sikucela, siyazi ukuba sinazo izinto esizicelayo, esizicelileyo kuye.

16 Ukuba umntu utê wambona umzalwana wakê esôna isono esingasingisi kufeni, wocela, *u-Tixo* amnike ubom, enika abo bônayo ngokungasingisi kufeni. Kukô sono sisingisa ekufeni, anditsho ukuti makacelele sona.

17 Konke ukungalungisi sisono; kukô sono singasingisi kôna ekufeni.

18 Siyazi ukuba bonke abazelwe ngu-Tixo abôni; usuke atî lowo wazalwayo ngu-Tixo azigcine, aze ongendawo angamcûkumisi.

19 Siyazi ukuba singabaka-Tixo, nokuba ihlabatî lipêla lilele kongendawo.

20 Ke, siyazi ukuba u-Nyana ka-Tixo ufikile, wasinika ingqondo, ukuze simazi oyinyaniso, sikuye-ke oyinyaniso, kuye u-Nyana wakê u-Yesu Kristu. Nguye lo u-Tixo oyinyaniso nobomi obungunapâkade.

21 Bantwanana, zigcineni kuzo izitîxo. Amen.

INCWADI YESIBINI YOM-POSTILE U-YOHANE.

INDODA enkulu *ibâlela* inkosikazi enyuliweyo nabantwana bayo, endibatândayo mna ngenyaniso; inge ndim ndedwa, ingabo bonke abayazileyo inyaniso;

2 Ngenxa yenyaniso ehleliyo kutî, eya kuba natî ngonapâkade, *itî*,

3 Makubekô kuni ubabalo, nenceba, noxolo oluvela ku-Tixo u-Yise, nakwi-Nkosi yetû u-Yesu Kristu, u-Nyana ka-Yise, kuni basenyanisweni naselutândweni.

4 Ndavuya kunene ukuba ndifumene kubantwana bakô kukô abahambâ enyani-

Digitized by Google

sweni, njengoko samkelayo umtêtô kuye u-Yise.

5 Nangoku ndiyakucela, nkosikazi, kunge ngakuba ndikubâlela umtêtô omtsha, ndikubâlela lowo sasinawo kwasekuqalekeni, ukuba sitândane.

6 Lulo-ke olu utândo, ukuba sihambê ngokwemitêtô yakê. Nguwo lo umtêtô, njengokuba nevayo kwasekuqalekeni, ukuba nihambê kuwo.

7 Ngokuba kungene abalahlekisi abaninzi ehlabatîni, abangamvumiyo u-Yesu Kristu esiza esenyameni. Lowo ngumkohlisi nomcâsi-kristu.

8 Zilumkeleni, ukuba singalahlekani nezinto esizisebenzileyo; masamkele umvuzo ozalisekileyo.

9 Bonke abagqitayo, abangahlaliyo emfundisweni ka-Kristu, abana-Tîxo; ohleliyo emfundisweni ka-Kristu, lowo unaye u-Yise no-Nyana.

10 Ukuba umntu uza kuni, engazisi yona lemfundiso, musan' ukumamkela endlwini yenu ningambulisi nokumbulisa;

11 Kuba lowo umbulisayo unobudlelane naye ngemisebenzi yakê engendawo.

12 Ndinezinto ezininzi-nje zokunibâlela, andingi ndingazibâla nga-pépâ nanga-inki; nditembê ukuza kuni, sitêtê ngomlomo, ukuze uvuyo lwetû luzaliseke.

13 Bayakubulisa abantwana bodade wenu onyuliweyo. Amen.

INCWADI YESITATU YOM-POSTILE U-YOHANE.

INDODA enkulu *ibâlela* u-Gayo oyintânda, endimtândayo mna ngenyaniso, *itî*,

2 Ntânda, ndinga ungatî ngezinto zonke usikeleleke upîle, njengokuba usikelelekile umpéfumlo wakô.

3 Kuba ndavuya kunene, bakufika abazalwana, banqîna ngenyaniso ekuwe, njengokuba wena uhambâ enyanisweni.

4 Andinaluvuyo lungapézu kolu, lokuba ndive ukuba abantwana bam bahambâ enyanisweni.

5 Ntânda, wenza okutêmbêkileyo oko sukuba ukwenzela abazalwana nabasemzini,

6 Abalunqîneleyo utândo lwakô pâmbî kwebandla, owotî ukuba ubaxôbisel' indlela ngokufanele u-Tîxo, ube uyatyapâ;

7 Kuba bapûma ngenxa ye-Gama lakê, bengatâbatânga nto kuzo in-Tlanga.

8 Tîna ngoko sifanele ukubaxâsa abanjalo, ukuze sibe ngabasebenzisani *nabo* kuyo inyaniso.

9 Ndalibâlela ibandla; ke usuke lowo utânda ukuzenza mkûlu kubo, u-Diyotrefe, angasamkeli.

10 Ngenxa yoko, ukuba ndité ndafika, ndomkûmbûza imisebenzi yakê ayenzayo, epôloloza ngatî ngamazwi angendawo; enganeli koko, usuka angababamkeli abazalwana ngokwakê, abalele abanga bangenje njalo, abakûpé ebandleni.

11 Ntânda, musa ukulandela okubi, landela okulungileyo. Lowo wenza okulungileyo ungoka-Tîxo; ke, lowo wenza okubi akambonanga u-Tîxo.

12 U-Demetriyo unqînelwe ngabo bonke nayiyo inyaniso; natî-ke siyanqîna, niyazi ukuba ubunqîna betû buyinene.

13 Ndandinezinto ezininzi endingazibâlayo, kodwa anditândanga kuzibâla ngainki nangalusiba;

14 Ndiyatêmbâ-ke ukuba ndokubona kwa kufupi-nje, sitêtê ngomlomo. Uxolo malube kuwe. Ziyakubulisa izihlobo. Zibulise izihlobo ngegama. Amen.

Digitized by Google

INCWADI KA-YUDA

KUBO BONKE.

U-YUDA, umkônzi ka-Yesu Kristu, umzalwana-ke ka-Yakobi *ubâlela* abangcwalisiweyo beku-Tixo u-Yise, begcinelwe u-Yesu Kristu, bengababiziweyo, *uti*,

2 Makwandiswe kuni inceba noxolo notândo.

3 Zintânda, ndikukûtâlele *ngenyameko* yonke-nje ukunibâlela ngalo usindiso esidlelana ngalo, kwafuneka ukuba ndinibâlele ndinivuselele, ukuba niluzamele ukôlo abalunikelwayo kwakanye abangcwele.

4 Kuba kutwetwe bantu batile; abo babebalulelwe ngenx' engapâmbili kololugwebo, abangahloneli-Tixo, belujikela ebufeletyweni ubabalo luka-Tixo wetû, benkânyela okupêla ko-Mnini-nto zonke, u-Tixo *wetû*, i-Nkosi yetû u-Yesu Kristu.

5 Ndinga-ke ndinganikûmbûza, nangona nikwazi oku kakade, ukuba i-Nkosi, yakuba ibasindisile abantu emhlabeni waseYiputa, yatî ngokwesibini yabatshabalalisa abo bangakôlwanga.

6 Kananjalo izitûnywa zezulu, ezo zingalugcinanga ulaulo lwazo, zesuka zahshiya ikâya lazo, izigcinele umgwebo womhla omkûlu ngemixokelelwane engunapâkade pântsi kwesitôkotôko.

7 Njengokuba i-Sodom ne-Gomora, nayo imizi engakuyo, yenza kakûlu umbulo ngohlobo olufana nolwazo ezo, imka ilandela nyama yimbî, ibekwe ekuhleni ukuba ibe ngumqondiso, iviswa ubetô lomlilo ongunapâkade.

8 Kwangokunjalo nabo aba bapûpâyo badyobe inyama, batshitshise ubukosi, banyelisa izikâkâmela.

9 Kanti yena u-Mikayeli isipâtâ-zitûnywa zezulu, oko wayebambêne naye umtŷoli, bebangisana ngawo umzimbâ ka-Moses, akabanga nabuganga bakumzisela ngwebo wakunyelisa, wesuka watî, I-Nkosi mayikukâlimele.

10 Ke bona aba okunene izinto zonke abangazaziyo bayazinyelisa; kodwa izinto zonke abazaziyo kakuhle ngemvelo, njengezinto ezipîlileyo ezinge nangqondo, bayazonakalisa ngazo ezo.

11 Yehâ-ke bona! ngokuba bahambâ ngendlela ka-Kayin, bakûkuliswa lulahlekiso luka-Bileham ngenxa yomvuzo, batshabalala epîkeni lika-Kora.

12 Aba zizixôbo zamatye aselwandle ezidlweni zenu zotândo, bezinxâla ukudla nani, bezidlisa okwabo ngokunge nakoyika, bangamafu ange namanzi aqûtywaqûtywa yimimoya, bayimitî evutûlukileyo enge naziqâmo, efe kabini, enyotûlwe ingcambû;

13 Bangamaza alwayo olwandle, elepûza awawo amahlazo, bazinkwenkwezi ezipâlapâlayo, begcinelwe isitôkotôko sobumnyama ngonapâkade.

14 Waprofeta-ke nangabo u-Enoki, owesixênxe ukususela ku-Adam, esitî, Yabonani, yeza i-Nkosi namawakawaka abangcwele bayo,

15 Ukuba ibagwebe bonke, ibohlwaye bonke abangahloneli-Tixo kubo, ngenxa yemisebenzi yabo yonke yokungahloneli-Tixo abayenze bengahloneli-Tixo, nangenxa yazo zonke izinto ezilukûni, ababezitêtile ngayo aboni abangahloneli-Tixo.

16 Aba ngabarori abasolayo, behambâ ngokwenkanuko zabo, umlomo wabo utetâ indumbîsa zamazwi, bencoma ubuso bemntu ngenxa yenzuzo.

17 Ke nina, zintânda, wakûmbûleni amazwi abetêtîwe ngenx' engapâmbili ngabo aba-postile be-Nkosi yetû u-Yesu Kristu;

18 Ngokuba bebesitî kuni, Kuya kubakô abagxeki ngexesha lokugqibela, behambâ ngokwezabo inkanuko zokungahloneli-Tixo.

19 Aba ngabazahlukanisayo, bengalwmvelo, u-Moya benge naye.

Digitized by Google

20 Ke nina, zintânda, zakêni elukôlweni lwenu olungcwele kanye, nitândaza nise-Moyeni Oyingcwele.
21 Hlalani nihleli elutândweni luka-Tîxo, niyilinde inceba ye-Nkosi yetû u-Yesu Kristu kuse ebomini obungunapâkade.
22 Inxenye okunene yenzeleni inceba, nicalula;
23 Kodwa inxenye yisindiseni nizoyikela, nibapânga emlilweni, niyitîya nengubo edyojiweyo yinyama.
24 Kulowo-ke unakô ukunilondoloza ningabi nakukûbeka, nokunimisa pâmbî kobuqaqauli bakê ninge nabala, nigcoba,
25 Ku-Tîxo olumkileyo yedwa, um-Sindisi wetû, makubekô uzuko nobukûlu, amandla negunya, nangoku kude kuse nasemapâkadeni onke. Amen.

ISITŶILELO SIKA-YOHANE.

ISIQENDU I.

ISITŶILELO sika-Yesu Kristu, awamnika sona u-Tîxo, ukuba ababonise abakônzi bakê izinto ezimele ukubakô kamsinya, waqondisa watûmela ngaso isitûnywa sakê sasezulwini kumkônzi wakê u-Yohane.
2 Owalinqînelayo ilizwi lika-Tîxo nobunqîna buka-Yesu Kristu, kwa nento zonke awazibonayo.
3 Unoyolo lowo uwalesayo, kwa nabo bawevayo amazwi aso isi-profeti-esi, bazigcine izinto ezibâliweyo kuso; kuba ixesha likufupî.

4 U-Yohane *ubâlela* amabandla asixênxe akwelase-Asiya, *utî*, Makube lubabalo kuni, noxolo oluvela kulowo ukôyo, wayekô, uzayo; nakubo o-Moya abasixênxe abapâmbî kwe-trone yakê;
5 Naku-Yesu Kristu, olinqîna elitêmbêkileyo, owamazibulo kubo abafileyo, umpâtî wokumkani bomhlaba. Kulowo wasitândayo, wasihlambâ ezonweni zetû ngelilelakê igazi,
6 Wasenza okumkani nababingeleli [1] kuye u-Tîxo u-Yise, kuye makubekô uzuko namandla kuse emapâkadeni asemapâkadeni. Amen.
7 Yabonani, uza namafu; aye eya kumbona amehlo onke, kwa nabo bamhlabayo; zaye ziya kummbâmbâzelela zonke izizwe zomhlaba. Ewe, Amen.

8 Mna ndingu-Alefa no-Omega, isiqalo nesipêlo, itsho i-Nkosi, leyo ikôyo, yayikô, izayo, u-Somandla.

9 Mna Yohane, endikwangumzalwana wenu, nedlelane nani ngayo imbândezelo, nangabo ubukumkani, nangonyamezelo luka-Yesu Kristu, ndandisesiqitini ekutîwa yi-Patmo, ngenxa yelizwi lika-Tîxo, nangenxa yobunqîna buka-Yesu Kristu.
10 Ndandiku-Moya ngemini eyeye-Nkosi, ndeva emva kwam izwi elikûlu, ngatî lelexilongo,
11 Lisitî, Mna ndingu-Alfa no-Omega, owokuqala nowokugqibela: Okubonayo kubâle encwadini, ukutûmele kuwo amabandla asixênxe ase-Asiya: e-Efeso, e-Smirna, e-Pergamo, e-Tiyatira, e-Sardesi, e-Filadelfi, e-Lawodike.
12 Ndaza nde-guququ ukuba ndilibone izwi-elo belitêtâ nam. Nditê-guququ ke, ndabona izipâtô zezibane ze-golide zisixênxe;
13 Napâkatî kwezipâtô zosixênxe-ezo ofana nonyana womntu, ambête ingubo efike ezinyaweni, ebînqe emabeleni umbînqo we-golide.
14 Intloko yakê-ke nenwele zimhlopê njengoboya bezimvu obumhlopê njengekêpu, amehlo akê enjengelangatye lomlilo;
15 Inyawo zakê zifana nobêdu olubengezelayo zingatî zivutîswe eziko; izwi lakê ngatî sisandi samanzi amaninzi.
16 Waye enenkwenkwezi ezisixênxe esandleni sakê sokunene; emlonyeni wakê kupûma irele elibukâli elintlangotî mbîni; ubuso bakê bunjengelanga likânya ngamandla alo.

[1] Umenzelcleli kwi-Test. endela, ngokunye um-priste.

Digitized by Google

17 Nditê ndakumbona, ndasuka ndawa ezinyaweni zakê ndanjengofileyo. Waza wabeka isandla sakê sokunene pêzu kwam, esitî kum, Mus' ukoyika; mna ndingowokuqala nowokugqibela,
18 Ndinguye odla ubomi; ndaye ndifile, yabona, ndingobudlayo ubomi kuse emapâkadeni asemapâkadeni, Amen; ndinazo izitshixo ze-hadesi [1] nezokufa.
19 Zibâle izinto ozibonileyo, nezikôyo, kwa neziya kubakô emva kwezo;
20 Imfihlakalo yenkwenkwezi ezisixênxe ozibonileyo esandleni sam sokunene, nezipâtô zezibane zosixênxe ze-golide yile: Inkwenkwezi-ezo zisixênxe zizitûnywa zawo amabandla asixênxe, nezipâtô-ezo zisixênxe uzibonileyo ngamabandla osixênxe.

2 Isitûnywa sebandla elise-Efeso, sibâlele utî,

Utsho lowo uzibambîleyo inkwenkwezi ezisixênxe ngesokunene sakê, lowo uhambâyo pâkatî kwezipâtô zezibane zosixênxe ze-golide, ukutî,
2 Ndiyayazi imisebenzi yakô, nokubulaleka kwakô, nomonde wakô, nokuba unge nakô ukubatŵala abanobubi, nokuba wabalinga abatî bangaba-postile, benge ngabo, wabafumana bengamaxoki;
3 Utŵele, unomonde, utê ngenxa yegama lam wabulaleka, akwadinwa.
4 Noko-ke ndinalento ngakuwe yokuba utândo lwakô lokuqala walushiyayo.
5 Kûmbûla ngoko apô uwe usuka kôna, uguquke, wenze imisebenzi yokuqala; okanye ndoza kuwe kamsinya, ndisishenxise isipâtô sesibane sakô endaweni yaso, ukuba akutânga uguquke.
6 Kodwa unalendawo yokuba uyitîyile imisebenzi yama-Nikolawo endiyitîyileyo nam.
7 Lowo unendlebe, makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla. Lowo weyisayo ndiya kumnika ukutî adle kumtî wobomi, opâkatî kwe-Paradisi ka-Tîxo.

8 Isitûnywa sebandla elise-Smirna, sibâlele, utî,

Utsho lowo ungowokuqala, ungowokugqibela, owayefile, waza *wabuya* wadla ubom, *ukutî*,

9 Ndiyayazi imisebenzi yakô, nembândezelo, nobuhlwempu, noko usityebi, nonyeliso lwabo batî bangama-Yuda bona, benge ngawo, besikûngu sika-Satana.
10 Mus' ukoyika nabunye ubunzima oza kubuva. Yabona, umtŷoli uza kuyipôsa inxenye yenu entolongweni, ukuze nilingwe, niya kuba nembândezelo imihla elishumi; têmbêka kude kube sekufeni, ndokunika isitsaba sobomi.
11 Lowo unendlebe, makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla. Lowo weyisayo akayi kukê oniwe kukufa kwesibini.
12 Isitûnywa sebandla elise-Pergamo, sibâlele, utî,

Utsho lowo unalo irele elintlangotî mbîni, elibukâli, ukutî,
13 Ndiyayazi imisebenzi yakô, nalapo uhleli kôna, apô ikôna i-trone ka-Satana; nokuba ulibambê waliqinisa igama lam, akwakukânyela ukukôlwa kum, nasemihleni u-Antipasi owabulawelwa kuni, apô ahleli kôna u-Satana, waye linqîna lam elitêmbekileyo.
14 Noko-ke ndinendawana ngakuwe, ezi zokuba unabo apô abayibambê bayiqinisa imfundiso ka-Bileham, owamfundisayo u-Balaki ukupôsa isikûbekiso pâmbî konyana baka-Sirayeli, ukuba badle izinto ezibingelelwe izitîxo, benze nombulo.
15 Ngokunjalo nawe unabayibambê bayiqinisa imfundiso yama-Nikolawo, into leyo endiyitîyileyo.
16 Guquka, okanye ndoza kuwe kamsinya, ndenze imfazwe nabo ngalo irele lomlomo wam.
17 Lowo unendlebe makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla. Lowo weyisayo ndiya kumnika ukutî adle kuyo i-mana efihlakeleyo, ndimnike ilitye elimhlopê, elityeni apô-ke igama elitsha libâliwe lingaziwa bani, inge nguye olamkelayo.

18 Isitûnywa sebandla elise-Tiyatira, sibâlele, utî,

Utsho u-Nyana ka-Tixo, omehlo ak anjengelangatye lomlilo, onyawo zakê z fana nobêdu olubengezelayo, ukutî,
19 Ndiyayazi imisebenzi yakô, notândo. nolungiselelo, nokôlo, nomonde wakô,

[1] Elalafileyo.

Digitized by Google

nokuba imisebenzi yakô yokugqibela iminzi kuneyokuqala.

20 Noko-ke ndinendawana ngakuwe, ezi zokuba umvumela umfazi-lowo u-Izebele, otî yena ungum-profetikazi, ukuba abafundise abalahlekise abakônzi bam, ukuba benze umbulo, badle izinto ezibingelelwe izitîxo.

21 Ndamnika ixesha lokuba aguquke kuwo umbulo wakê; akaguquka.

22 Yabona, mna ndiya kumpôsa elukûkweni, nabo barexeza kunye naye embândezelweni enkulu, ukuba abatânga baguquke emisebenzini yabo.

23 Nabantwana bakê ndibabulale ngokufa; azi onke amabandla ukuba mna ndingulowo upêngulula izintso nentliziyo, ndininike elowo ngokwemisebenzi yenu.

24 Nditî-ke kuni, nakwabanye abase-Tiyatira, abo bonke bange nayo lomfundiso, nabo abo bangazazanga inzulu zika-Satana (njengoko batshoyo); andiyi kupôsa pêzu kwenu mtŵalo wumbî.

25 Noko-ke oko ninako kubambêni nikuqinise ndide ndifike.

26 Lowo weyisayo, lowo uyigcinayo imisebenzi yam, ade ase ekupêleni, ndomnika igunya pêzu kwazo intlanga;

27 Uya kuzalûsa ngentonga yentsimbî, njengokuba izitya zomdongwe zityunyuswa, njengokuba nam ndamkele kuye u-Bawo;

28 Ndiya kumnika ikŵezi lokusa.

29 Lowo unendlebe, makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla.

3 Isitûnywa sebandla elise-Sardesi sibâlele, utî,

Utsho lowo unabo o-Moya abasixênxe baka-Tîxo, nazo inkwenkwezi ezisixênxe, ukutî, Ndiyayazi imisebenzi yakô, ukuba unalo igama lokuba upîlile, ukanti ufile.

2 Pâpâ, uzizimase izinto eziseleyo eziza kufa; kuba andiyifumananga izalisekile imisebenzi yakô pâmbî ko-Tîxo.

3 Kûmbûla ngoko, ukuba utê-nina ukwamkela *kwakô*, nokuva, ugcine uguquke. Ukuba ngoko akutânga ulinde, ndokufikela njengesela; akusokulazi ilixa endokufikela ngalo.

4 Unamagama ambâlwa nase-Sardesi apô, angazidyobanga wona ingubo zawo; baya kuhambâ nam benezimhlopê; ngokuba befanelekile.

5 Lowo weyisayo uya kutîwa-wambû ngengubo ezimhlopê; andisokulicima igama lakê encwadini yobom; ndiya kulivuma igama lakê emehlweni ka-Bawo, napâmbî kwezitûnywa zakê zasezulwini.

6 Lowo unendlebe makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla.

7 Isitûnywa sebandla elise-Filadelfi sibâlele, utî,

Utsho Oyingcwele, oyinyaniso, lowo unaso isitshixo sika-Davide, lowo uvulayo kungavali namnye, avale kungavuli namnye, ukutî,

8 Ndiyayazi imisebenzi yakô; yabona, ndimise pâmbî kwakô ucango oluvulekileyo, akukô namnye unakô ukuluvala; kuba utê unamandla amancinane, waligcina ilizwi lam, akwalikânyela igama lam.

9 Yabona, ndinika abesikûngu sika-Satana, abatî bangama-Yuda bona, benge ngawo, bexoka; yabona, ndiya kubenza beze baqubude pâmbî kwenyawo zakô, bazi ukuba mna ndikutândile.

10 Ngokuba waligcina ilizwi lomonde wam, nam ndiya kukugcina ndikusindise kwilixa lokulingwa, eliza kuza pêzu kwelimiweyo lipêla, ukulinga abo bemiyo pêzu komhlaba.

11 Yabona, ndiza kamsinya; kubambê ukuqinise onako, ukuze kungabikô namnye usitâbatâyo isitsaba sakô.

12 Lowo weyisayo ndiya kumenza intsika e-tempileni yo-Tîxo wam, akayi kuba sapûma pândle; ndaye ndiya kulibâlela pêzu kwakê igama lo-Tîxo wam, negama lomzi wo-Tîxo wam, i-Yerusalem entsha, ehla ezulwini ivela ku-Tîxo wam, negama lam elitsha.

13 Lowo unendlebe, makayive into ayitêtâyo u-Moya kuwo amabandla.

14 Isitûnywa sebandla elise-Lawodike sibâlele, utî,

Utsho u-Amen, inqîna elitêmbêkileyo, eliyinyaniso, ingqalo yayo indalo ka-Tîxo, ukutî,

15 Ndiyayazi imisebenzi yakô, ukuba akubandi akushushu; akwaba ububanda, akwaba ubushushu.

16 Ngenx' enokuba-ke udikidiki, ungabandi ungeshushu, ndiza kukuhlanza upûme emlonyeni wam.

17 Ngokuba usitî, Ndisityebi, ndizitye-

Digitized by Google

bisile, andiswele nto, ube ungazi ukuba uludwayinge, ulusizana, ulihlwempu, uyimfama, uhambâ zé;

18 Ndiya kucebisa, ukuba utênge kum i-golide evutíswe emlilweni, ukuze ube nobutyebi; nengubo ezimhlopê, ukuze wambêswe, lingabonakali ihlazo lobuzé bakô; nentambíso yamehlo utâmbíse amehlo akô, ukuze ubone.

19 Mna bonke endibatândayo, ndiyabohlwaya ndibaqeqeshe; zondelela ngoko uguquke.

20 Yabona, ndimi emnyango ndinqonqoza; ukuba utê umntu waliva izwi lam, waluvula ucango, ndongena kuye ndidle naye, naye adle nam.

21 Lowo weyisayo, ndiya kumvumela ukuba ahlale nam e-troneni yam, njengokuba nam ndeyisayo, ndaza ndahlala pântsi no-Bawo e-troneni yakê.

22 Lowo unendlebe, makayive into ayitétâyo u-Moya kuwo amabandla.

4 Emva koko ndabona, nango umnyango uvulekile ezulwini; izwi lokuqala endalivayo lalinjengexilongo litêtâ nam, lisitî, Nyukela apâ, ndokubonisa izinto ezimele ukubakô emva kwezo.

2 Nditê kwa oko-ke ndaba ku-Moya; nanko kumi i-trone ezulwini, pêzu kwetrone kukô ohleliyo.

3 Waye lowo uhleliyo, ukubonakala kwakê, efana nelitye le-yaspisi nele-sardiyo, waye umnyamá wenze isanqâ e-troneni apô, ufana nele-smarado ukubonakala kwawo.

4 Kwaye kwenze isanqâ e-troneni apô, itrone ezimashumi mabini anazine; pêzu kwe-trone-ezo ndabona amadoda amakûlu amashumi mabini anamane ehleli, etíwewambû ngengubo ezimhlopê, enezitsaba ze-golide entloko.

5 Nase-troneni apô kupûma imibane nendudumo nezandi; kuvutâ izibane zomlilo ezisixênxe pâmbî kwe-trone, ezingabo o-Moya abasixênxe baka-Tíxo.

6 Pâmbî kwe-trone kukô ulwandle lwegilasi lufana nomkênce; esazulwini setrone apô nasesanqêni se-trone kukô izinto ezipîlileyo zizine, zizele ngamehlo ngapâmbîli nangasemva.

7 Eyokuqala into epîlileyo ifana nengonyama, eyesibini into epîlileyo ifana netôle, eyesitâtû into epîlileyo inobuso obungatî bobomntu, eyesine into epîlileyo ifana nokôzi lupâpâzela.

8 Zaye zozine izinto ezipîlileyo ezo, iyileyo naleyo, zinamapîko ngamatândatû ngenxa zonke, nangapâkatî zizele ngamehlo, zingapûmli imini nobusuku, zisitî, Ingcwele, ingcwele, ingcwele i-Nkosi u-Tíxo u-Somandla, leyo yayikô, ikôyo, izayo.

9 Xa zitî izinto ezipîlileyo zibe zimnika uzuko nembêko nombulelo lowo uhleli e-troneni, lowo udla ubomi kuse emapâkadeni asemapâkadeni,

10 Asuke awe amadoda amakûlu amashumi mabini anane pâmbî kwalowo uhleli e-troneni, aqubude kulowo udla ubomi kuse emapâkadeni asemapâkadeni, apôse izitsaba zawo pâmbî kwe-trone, esitî,

11 Ufanele, Nkosi, ukwamkela uzuko nembêko namandla; ngokuba inguwe owadala zonke izinto, nangenxa yokutânda kwakô zikô, zadalelwa oko.

5 Ndabona esandleni sokunene salowo uhleli e-troneni incwadi ibâlwe ngapâkatî nangapândle, itywinwe ngamatywina asixênxe.

2 Ndabona isitûnywa sezulu esomeleleyo sivakalisa ngezwi elikûlu, sisitî, Ngubanina ofanele ukuyivula incwadi, nokuwanqika amatywina ayo?

3 Akwabikô namnye ezulwini napêzu komhlaba, nangapântsi komhlaba, unakô ukuyivula incwadi, nokuyikângela oku.

4 Ndandilila kakûlu mna, ngokuba kungafunyanwanga namnye ufanele ukuyivula nokuyilesa incwadi, nokuyikângela oku.

5 Yatî enye indoda enkulu kum, Mus' ukulila; yabona, i-Ngonyama yesizwe sakwa-Yuda, i-Ngcambû ka-Davide, ikweyisile ukuyivula incwadi, nokuwanqika amatywina ayo asixênxe.

6 Ndabona, nantso, esazulwini se-trone nesezinto ezipîlileyo zozine, nasesazulwini samadoda amakûlu, i-Mvana engatî ixêliwe, imi inempondo ezisixênxe, namehlo asixênxe ango-Moya bosixênxe baka-Tíxo, abatûnyelwe emhlabeni wonke.

7 Yeza yayitâbatâ incwadi esandleni sokunene salowo uhleli e-troneni.

8 Yatî, yakuyitâbatâ incwadi, izinto ezipîlileyo zozine, namadoda amakûlu angamashumi mabini anamane, awa pâmbî kwe-Mvana, iyileyo inohadi, nenqâyi ye-

Digitized by Google

golide izele ziziqûmiso, eziyiyo imitândazo yabangcwele.

9 Avuma ingoma entsha, esitî, Ufanele ukuyitâbatâ incwadi, nokuwavula amatywina ayo; ngokuba wena waxêlwa wasitênga ukuba sibe ngabaka-Tîxo ngalo igazi lakô, sipûma kuzo zonke izizwe, nelwimi, nabantu, nentlanga;

10 Wasenza okumkani nababingeleli[1] kuye u-Tîxo wetû; sasiya kuba ngokumkani pêzu komhlaba.

11 Ndabona, ndeva izwi lezitûnywa zezulu ezininzi zenze isanqâ e-troneni, nezinto ezipîlileyo nawo amadoda amakûlu: laye inani lawo lizigidi zezigidi;

12 Besitî ngezwi elikûlu, Kuyifanele i-Mvana eyaxêlwayo ukwamkela amandla, nobutyebi, nobulumko, nokomelela, nembêko, nozuko, nokubongwa.

13 Kananjalo zonke izidalwa ezisezulwini, napêzu komhlaba, napântsi komhlaba, napêzu kolwandle, nento zonke ezikwezonto, ndaziva zisitî kulowo uhleli e-troneni nakuyo i-Mvana, *Makubekô* ukubongwa, nembêko, nozuko, namandla, kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

14 Izinto ezipîlileyo zozine zatî, Amen. Aza amadoda amakûlu angamashumi amabini anamane awa aqubuda kobudlayo ubomi kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

6 Ndabona, xa i-Mvana yalivulayo elinye lamatywina, ndeva enye kuzo izinto ezipîlileyo zozine, isitî, ngatî kungesandi sokududuma, Yiza ubone.

2 Ndabona, nalo, ihashe elimhlopê; lowo-ke wayehleli pêzu kwalo enesapêtâ, wanikwa isitsaba, wapûma eseyisa, nokuze eyise.

3 Xa yalivulayo elesibini itywina, ndeva eyesibini into epîlileyo isitî, Yiza ubone.

4 Kwapûma elinye ihashe libomvu; lowo-ke wayehleli pêzu kwalo wanikwa *igunya* lokulususa uxolo emhlabeni, nokuze basikane, wanikwa ikele elikûlu.

5 Xa yalivulayo elesitâtû itywina, ndeva eyesitâtû into epîlileyo isitî, Yiza ubone. Ndabona, nalo, ihashe elimnyama; lowo-ke wayehleli pêzu kwalo abenesi-kali sokulinganisa esandleni sakê.

6 Ndeva izwi esazulwini sezinto ezipîlileyo zozine, lisitî, I-bêkile yenqôlowa iyakudla i-denariyo, ne-bêkile ezintâtû zefasi zidle i-denariyo, i-oli ne-wayini uz'unga yôni.

7 Xa yalivulayo elesine itywina, ndeva izwi lento epîlileyo yesine lisitî, Yiza ubone.

8 Ndabona, nalo, ihashe elilutûtû; lowoke wayehleli pêzu kwalo engu-Kufa igama lakê, ne-hadesi[1] ilandelelana naye. Banikwa igunya lokubulala kwisahlulo sesine somhlaba ngeŕele, nangendlala, nangokufa, nangawo amafamncwa omhlaba.

9 Xa yalivulayo elesihlanu itywina, ndayibona ngapântsi kwesibingelelo imipêfumlo yabo babesikwe ngenxa yelizwi lika-Tîxo nangenxa yobunqîna ababe nabo;

10 Baye bedanduluka ngezwi elikûlu, besiti, Koda kube nînina, Mnini-nto zonke, oyingcwele, oyinyaniso, ungagwebi ungalipîndezeleli igazi letû kubo abemiyo pêzu komhlaba?

11 Banikwa bonke ngabanye ingubo ezinde ezimhlopê; kwatîwa kubo, basaya kupûmla ixesha elincinane, bade bazaliseke nabangababakônzi nabo, nabazalwana babo, abaza kubulawa kwa njengabo.

12 Ndabona, xa yalivulayo elesitândatû itywina, nanko, kubakô unyikimo lomhlaba olukûlu, latî ilanga laba mnyama njengengubo efwexayo yoboya; yatî inyanga yaba njengegazi;

13 Zatî inkwenkwezi zezulu zawa emhlabeni, njengokuba umkîwane uvutûlula amakîwane awo atshazileyo. wakuzanyazanyiswa ngumoya omkûlu.

14 Latî izulu lafingeka njengencwadi esongiweyo; zatî intaba zonke neziqiti zasuswa ezindaweni zazo.

15 Batî okumkani bomhlaba, namanene, nezityebi, nabatêtêli-waka, nabanamandla, namakôboka onke, nabakûlulekileyo bonke bazifihla emiqolombêni nasemaweni entaba;

16 Batî kwintaba nakumawa, Siweleni, nisifihle ebusweni balowo uhleli pêzu kwetrone, nasengqumbêni ye-Mvana;

17 Ngokuba ufikile umhla omkûlu wengqumbô yayo; ngubanina-ke onakô ukuma?

[1] Abenzelelelî kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.

[1] Elabafileyo.

Digitized by

7 Emva koko ndabona izitûnywa zezulu zizine zimi ezimbômbêni zone zomhlaba, zibambê imimoya yomine yomhlaba, ukuze kungavutûzi moya pêzu komhlaba, napêzu kolwandle, napêzu kwemitî yonke.

2 Ndabona esinye isitûnywa sezulu sinyuka sivela empumalanga, sinetywina lika-Tîxo opîlileyo; sadanduluka ngezwi elikûlu kuzo izitûnywa zezulu zozine ezanikwa *igunya* lokuwonakalisa umhlaba nolwandle,

3 Sitî, Musan' ukuwŏna umhlaba, nolwandle, nemitî, side sibatywine abakônzi baka-Tîxo wetû emabunzini abo.

4 Ndaliva inani labo babe tywiniwe: kwatywinwa ikûlu elinamanci mane anesine lamawaka kuzo zonke izizwe zonyana baka-Sirayeli.

5 Esizweni sakwa-Yuda kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Ruben kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Gadi kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

6 Esizweni sakwa-Ashere kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Naftali kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Manase kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

7 Esizweni sakwa-Simon kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Levi kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Isakare kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

8 Esizweni sakwa-Zebulon kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Yosefu kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.
Esizweni sakwa-Benyamin kwatywinwa ishumi elinambini lamawaka.

9 Emva koko ndabona, nantso, indimbâne enkulu, ebekungekô namnye unakô ukuyibala, ipûma kuzo zonke intlanga nezizwe nabantu nelwimi, imi pâmbî kwetrone napâmbî kwe-Mvana, betîwe-wambû ngengubo ezinde ezimhlopê, benamasundu ezandleni zabo,

10 Bedanduluka ngezwi elikûlu, besitî, Usindiso kuye u-Tîxo wetû lowo uhleli pêzu kwe-trone, nakuyo i-Mvana!

11 Zaye zonke izitûnywa zezulu zimi, zenze isanqâ e-troneni nakuwo amadoda amakûlu, nakuzo izinto ezipîlileyo zozine, zawa pâmbî kwe-trone ngobuso bazo, zaqubuda kuye u-Tîxo,

12 Zisitî, Amen; ukubongwa, nozuko, nobulumko, nombulelo, nembêko, namandla, nokomelela, makube kuye u-Tîxo wetû kuse emapâkadeni asemapâkadeni! Amen.

13 Yapêndula enye indoda enkulu, isitî kum, Aba batîwe-wambû ngengubo ezinde ezimhlopê bangobanina? bevela pîna?

14 Nditê kuyo, Nkosi, nguwe owaziyo. Yatî kum, Aba ngabapûmayo embândezelweni enkulu, bazihlambâ ingubo zabo ezinde, bazenza mhlopê ingubo zabo ezinde egazini le-Mvana.

15 Ngenxa yoko bapâmbî kwe-trone ka-Tîxo, bemkônza imini nobusuku e-tempileni yakê; nalowo uhleli pêzu kwe-trone uya kuba ngumnquba pêzu kwabo.

16 Abayi kuba salambâ, abayi kuba sanxanwa; aliyi kubawela nelanga, nabunye ubushushu;

17 Ngokuba i-Mvana esesazulwini setrone iya kubalûsa, ibakôkelele emitônjeni epîlileyo yamanzi; waye u-Tîxo eya kuzisula inyembêzi zonke emehlweni abo.

8 Xa yalivulayo elesixênxe itywina, kwabakô ukuzola ezulwini kwa ngati kude kwasisiqingatâ selixa.

2 Ndazibona izitûnywa zezulu ezisixênxe ezimayo pâmbî ko-Tîxo; zaza zanikwa amaxilongo asixênxe.

3 Seza esinye isitûnywa sema esibingelelweni, sinesiqûmiselo se-golide, sanikwa iziqûmiso zazininzi, ukuze sizinikele kunye nemitândazo yabangcwele bonke pêzu kwesibingelelo se-golide esipâmbî kwetrone.

4 Wenyuka-ke umsi weziqûmiso kunye nemitândazo yabangcwele epûma esandleni sesitûnywa sezulu, waya emehlweni ka-Tîxo.

5 Satî isitûnywa sasitâbatâ isiqûmiseloeso, sasizalisa ngomlilo wesibingelelo, sawupôsa emhlabeni; kwabakô izandi, nendudumo, nemibane, nenyikima.

6 Zaza izitûnywa ezisixênxe ezinamaxilongo osixênxe zazilungiselela ukuba zivutêle amaxilongo.

7 Satî esokuqala isitûnywa savutêla ixilongo, kwabakô isicôto nomlilo zipîtike-

Digitized by Google

zwe negazi, zapôswa emhlabeni; saza isahlulo sesitâtů semitî satshiswa, nabo bonke utyani obuluhlaza batshiswa.

8 Satî esesibini isitůnywa savutêla ixilongo, kwanga kupôswa intaba enkulu isitsha ngumlilo elwandle; saza isahlulo sesitâtů solwandle saba ligazi;
9 Safa isahlulo sesitâtů sezidalwa ezipîlileyo eziselwandle; nesahlulo sesitâtů semikômbê sonakaliswa.

10 Satî esesitâtů isitůnywa savutêla ixilongo, kwawa ezulwini inkwenkwezi enkulu, ivutâ njengesibane, yawa pêzu kwesahlulo sesitâtů semilambô, napêzu kwemitômbô yamanzi.
11 Igama lenkwenkwezi leyo kutîwa ngum-Hlonyane; saza isahlulo sesitâtů samanzi sangumhlonyane; yatî into eninzi yabantu yafa ngawo amanzi, ngokuba aba ŕaŕa.

12 Satî esesine isitůnywa savutêla ixilongo, saza sabetŵa isahlulo sesitâtů selanga, nesahlulo sesitâtů senyanga, nesahlulo sesitâtů senkwenkwezi, ukuze isahlulo sesitâtů sazo sibe mnyama, sitî isahlulo sesitâtů sayo imini singakânyi, bube njalo nobusuku.

13 Ndabona, ndeva esinye isitůnywa sipâpâzela esazulwini sezulu, sisitî ngezwi elikůlu, Yehā! yehā! yehā! abo bemiyo pêzu komhlaba ngawo amazwi aseleyo exilongo lezitůnywa ezitâtů ezisaza kuvutêla amaxilongo.

9 Satî esesihlanu isitůnywa savutêla ixilongo; ndabona inkwenkwezi ipůma ezulwini, yawa emhlabeni; sanikwa isitshixo sequla lenzonzobila.
2 Salivula iqula lenzonzobila. Kwenyuka umsi upůma equleni apô njengomsi weziko elikůlu, lamnyama ilanga nesibâkabâka ngumsi wequla-elo.
3 Emzini apô kwapůma inkumbî, ezeza emhlabeni, zanikwa igunya, njengokuba benegunya onomadudwane bomhlaba.
4 Kwatîwa kuzo, ize utyani bomhlaba zingabôni, nanye into eluhlaza, nanye into engumtî, ibe ngabantu bodwa, bona abo bange nalo itywina lika-Tîxo emabunzîni abo.
5 Zanikwa igunya lokungababulali, batůtůnjelwe-nje kodwa inyanga ezintlanu; intutůmbô yazo yayi njengentutůmbô yonomadudwane, xa atê wasuzela umntu.
6 Ngalomihla abantu baya kukufuna ukufa, bangakufumani; baya kukunqwenela ukufa, kusuke ukufa kusabe kubo.
7 Imfano zenkumbî-ezo bezifana namahashe elungiselwe imfazwe, ezintloko izizitsaba ezifana ne-golide, nobuso bazo bunjengobuso babantu.
8 Zaye zinenwele ezingatî zinwele zamankazana, namazinyo azo engatî ngawengonyama.
9 Zaye zinezigcina-zifuba ezingatî zigcina-zifuba zentsimbî, isandi samapîko azo singatî sisandi senqwelo zamahashe amaninzi ebaleka esiya emfazweni,
10 Zinemisila efana neyonomadudwane, kukô nezamvila emisileni yazo; igunya lazo ilelokôna abantu inyanga ezintlanu.
11 Zinokumkani pêzu kwazo, usitůnywa senzonzobila, ogama lakê ngesi-Hebere lingu-Abadon, ngesi-Grike unegama elingu-Apoliyon.
12 Owokuqala u-Yehā udlule; yabona, kuza o-Yehā ababini emva koko.

13 Satî esesitândatů isitůnywa savutêla ixilongo, ndeva izwi lipůma ezimpondweni zozine zesibingelelo se-golide esisemehlweni ka-Tîxo,
14 Lisitî kwisitůnywa sesitândatů esasinexilongo, Zikůlule izitůnywa ezine ezikônxwe emlanjeni omkůlu ongum-Frati.
15 Zaza zakůlulwa izitůnywa zozine, ezazilungiselwe ilixa nemini nenyanga nomnyaka, ukuze zibulale isahlulo sesitâtů sabantu.
16 Laye inani lemikôsi yamahashe lizigidi zezigidi ezipîndeke kabini; ndaliva inani layo.
17 Ndawabona ngokunjalo amahashe embonweni lowo, nabo babehleli pêzu kwawo benezigcina-zifuba ezimlilo nezimsi, nezi-sulfure; intloko zamahashe zingatî zintloko zengonyama, emlonyeni wawo kupůma umlilo nomsi ne-sulfure.
18 Ngezonto zontatů sabulawa isahlulo sesitâtů sabantu, ngomlilo, nangomsi, nange-sulfure, ezapůmayo emlonyeni wawo.
19 Kuba amagunya awo asemlonyeni wawo nasemisileni yawo; kuba imisila yawo ifana nenyoka, inentloko; ngayo ayonakalisa.
20 Amasalela abantu abangabulawanga

Digitized by Google

ngazo ezozibetô, akaguqukanga emisebenzini yezandla zawo, ukuze angaqubudi kuzo i-demon, nezitîxo ze-golide neze-silvere nezobêdu nezamatye nezemitî, ezinge nakô nokubona nokuva nokuhambâ;

21 Akaguqukanga nasekubulaleni kwawo, nasekukâfuleni kwawo, nasembulweni wawo, nasebuseleni bawo.

10 Ndabona esinye isitûnywa sezulu esinamandla sisihla ezulwini, sitîwe-wambû ngelifu; kukô umnyamâ entloko, ubuso baso bungatî lilanga, inyawo zaso zingatî zintsika zomlilo;

2 Esandleni saso saye sinencwadana ivulekile; salumisa unyawo lwaso lokunene pêzu kolwandle, ke, olokôhlo pêzu komhlaba;

3 Sadanduluka ngezwi elikûlu, ngatî yingonyama igquma. Satî sakudanduluka, indudumo ezisixênxe zazivakalisa izandi zazo.

4 Xa indudumo ezisixênxe zazivakalisayo izandi-zazo, ndandiza kubâla; ndaza ndeva izwi lipûma ezulwini lisitî kum, Zitywine izinto ezizivakalisileyo indudumo ezisixênze, ungazibâli zona.

5 Saza isitûnywa sezulu, endasibonayo simi pêzu kolwandle napêzu komhlaba, sasipâkamisela ezulwini isandla saso,

6 Safunga lowo udla ubomi ase emapâkadeni asemapâkadeni, owadala izulu nezinto ezikulo, nomhlaba nezinto ezikuwo, nolwandle nezinto ezikulo, ukutî, Akuyi kuba sabakô xesha.

7 Ke ngemihla yezwi lesesixênxe isitûnywa sezulu, xa sukuba siza kuvutêla ixilongo, iyakuzaliseka imfihlakalo ka-Tîxo, njengoko wazishumayelayo indaba ezilungileyo kwabangabakê abakônzi abaprofeti.

8 Latî izwi endalivayo lipûma ezulwini labuya latêtâ nam, lisitî, Hambâ uye uyitâbatê incwadana evulekileyo esesandleni sesitûnywa esimiyo pêzu kolwandle napêzu komhlaba.

9 Ndesuka-ke ndaya kwisitûnywa-eso, ndatî kuso, Ndinike incwadana-leyo. Satî kum, Yitâbatê uyidle uyigqibe; yosenza sibe ŕaŕa isisu sakô, kodwa emlonyeni wakô yoba nencasa enjengeyobusi.

10 Ndayitâbatâ-ke incwadana esesandleni sesitûnywa-eso, ndayidla ndayigqiba; yaye emlonyeni wam inencasa enjengeyobusi; xa ndayidlayo, saba ŕaŕa isisu sam.

11 Satî kum, Umele ukuba ubuye uprofete ngabantu nentlanga nelwimi nokumkani abanînzi.

11 Ndaza ndanikwa ingcongolo ifana nentonga; saye isitûnywa-eso simi, sisitî, Suka, uyilinganise i-tempile ka-Tîxo, nesibingelelo, nabo baqubudayo bekuyo.

2 Intendelezo engapândle kwe-tempile yipôse pândle, ungayilinganisi yona; ngokuba inikwe intlanga; umzi ongcwele ziya kuwunyatêlela pântsi inyanga ezimashumi mane anambîni.

3 Ndiya kuwanika amanqîna am amabini, aprofete imihla eliwaka elinamakûlu mabini anamanci matândatû, etîwe-wambû ngengubo eziŕwexayo.

4 Lawo yileminquma mibini, nezizipâtô zezibane zibini zimiyo pâmbî ko-Tîxo womhlaba.

5 Ukuba kukô bani unga angawonakalisa kopûma umlilo emlonyeni wawo, uzidle uzigqibe intshaba zawo; nokuba kukô bani unga angawonakalisa, umelwe kubulawa ngokunjalo.

6 Wona la anegunya lokulivala izulu, ukuze kungani mvula ngemihla yokuprofeta kwawo; kananjalo anegunya pêzu kwamanzi ukuwaguqula abe ligazi, nokuwubetâ umhlaba ngezibetô zonke, ngamaxa onke asukuba etânda ngawo.

7 Xa atê abufeza ubunqîna bawo, ifamncwa elinyuka lipûma enzonzobileni liya kwenza imfazwe nawo, liweyise, liwabulale.

8 Izidûmbû zawo ziya kuba sesi-trateni somzi omkûlu, okutîwa ngokomoya yi-Sodom ne-Yiputa, apô kananjalo yabetêlwa kôna emnqamlezweni i-Nkosi yabo.

9 Ababo abantu nezizwe nelwimi nentlanga, baya kuzibona izidûmbû zawo imihla emitâtû enesiqingatâ somhla, bangavumi ukuba izidûmbû zawo zibekwe emancŵabeni.

10 Abo bemiyo pêzu komhlaba baya kuwavuyelela, babe nemihlali; batûmelane izipô; ngokuba aboba-profeti babini babatûtûmbîsa abo bemiyo pêzu komhlaba.

11 Emva kwemihla-leyo mitâtû inesiqingatâ somhla, umoya wobom opûme ku-Tîxo wangena kuwo, ema ngenyawo zawo; baza bawelwa luloyiko olukûlu abo bawabonayo.

12 Eva izwi elikûlu lipûma ezulwini, li-

Digitized by Google

sitî kuwo, Nyukelani apâ! Enyuka aya ezulwini esefini; zawabona intshaba zawo.

13 Ngelolixa kwabakô unyikimo lomhlaba olukûlu, isahlulo seshumi somzi sawa, kwabulawa kololunyikimo abantu abangamawaka asixênxe; abo baseleyo bangenelwa luloyiko, bamzukisa u-Tîxo wezulu.

14 U-Yehâ wesibini udlule; yabona u-Yehâ wesitâtû uyeza kamsinya.

15 Satî esesixênxe isitûnywa savutêla ixilongo; kwabakô amazwi amakûlu ezulwini esitî, Izikumkani zehlabatî zitê zaba zeze-Nkosi yetû nezika-Kristu wayo, wayeya kuba ngu-Kumkani kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

16 Aza amadoda amakûlu, angamashumi mabini anamane, ahleli pâmbî ko-Tîxo pêzu kwe-trone zawo, awa ngobuso bawo, aqubuda kuye u-Tîxo,

17 Esitî, Siyabulela kuwe, Nkosi, Tîxo, Somandla, wena ukôyo, 'waukô, uzayo, kuba uwatâbatîle amandla akô amakûlu, waba ngu-Kumkani.

18 Intlanga zaqumbâ, yeza ingqumbô yakô, leza nexesha labo bafileyo ukuba bagwetywe, nelokubanika umvuzo wabo abakônzi bakô aba-profeti, nabo bangcwêle, nabo baloyikayo igama lakô, abancinane nabakûlu, nelokonakalisa abo bawonakalisayo umhlaba.

19 Yavulwa i-tempile ka-Tîxo ezulwini, wabonakala umkômbê womnqopîso wakê e-tempileni yakê; kwabakô imibane, nezandi, nendudumo, nonyikimo lomhlaba, nesicôtô esikûlu.

12 Kwabonakala umqondiso omkûlu ezulwini; umfazi etîwe-wambû ngelanga, inyanga ingapântsi kwenyawo zakê, entloko kuye isisitsaba senkwenkwezi ezilishumi elinambini;

2 Atî emitî akâle, enenimbâ, etûtûnjelwa ekuzaleni.

3 Kwabonakala omnye umqondiso ezulwini: nantso, inambâ enkulu ebomvu, inentloko ezisixênxe nempondo ezilishumi, kwintloko zayo izizitsaba ezisixênxe.

4 Umsila wayo wawufola isahlulo sesitâtû senkwenkwezi zezulu, wazipôsa emhlabeni. Yatî inambâ-leyo yema pâmbî komfazi owayeza kuzala, ukuze xa atê wazala imdle imgqibe umntwana wakê.

5 Wazala umntwana oyinkwenkwe, oza kuzalûsa zonke intlanga ngentonga yentsimbî; umntwana wake lowo watîwaxwi, wasiwa kuye u-Tîxo, nakuyo i-trone yakê.

6 Watî umfazi wasabela entlango, apô ikôna indawo ayilungiselwe ngu-Tîxo, ukuze bamnqake kôna imihla eliwaka elinamakûlu mabini anamanci matândatû.

7 Kwaza kwabakô imfazwe ezulwini, u-Mikayeli nezitûnywa zakê besîlwa nenambâ, inambâ nezitûnywa zayo zisilwa;

8 Azabi nakweyisa, kanjalo ayabi safunyanwa indawo yazo ezulwini.

9 Yapôswa pântsi inambâ enkulu, inyoka yakudala, leyo kutîwa ngum-Tŷoli, u-Satana-ke, lowo ulilahlekisayo elimiweyo lipêla, yapôswa emhlabeni, nezitûnywa zayo zapôswa kunye nayo.

10 Ndaza ndeva izwi elikûlu ezulwini lisitî, Ngoku lutê usindiso, namandla, nobukumkani, lwaba loluka-Tîxo wetû, negunya laba lelika-Kristu wakê; ngokuba ukâhlelwe pântsi ummangaleli wabazalwana betû, lowo ubamangalelayo emehlweni ka-Tîxo wetû imini nobusuku.

11 Bameyisile bona ngenxa yegazi le-Mvana, nangenxa yelizwi lobunqîna babo; abawutândanga umpêfumlo wabo kwada kwasekufeni.

12 Ngenxa yoko yibani nemihlali, nina mazulu, nani ninomnquba kuwo. Yehâ abo bawumiyo umhlaba nolwandle! ngokuba uhlile weza kuni umtŷoli enomsindo omkûlu, esazi-nje ukuba ixesha analo lincinane.

13 Yaza yatî inambâ yakubona ukuba ipôswe emhlabeni, yamtshutshisa umfazi ozele umntwana oyinkwenkwe.

14 Umfazi wanikwa amapîko amabini okôzi olukûlu, ukuze apâpâzele aye entlango, endaweni yakê, apô anqakwa kôna ixesha, namaxesha, nesiqingatâ sexesha, kude nobuso benyoka.

15 Inyoka yakûpâ emva komfazi ngomlomo wayo amanzi anjengomlambô, ukuze imkûkulise nomlambô.

16 Umhlaba wamsiza umfazi, watî umhlaba wawuvula umlomo wawo, wawufinca umlambô eyawukûpâyo inambâ ngomlomo wayo.

Digitized by Google

17 Yamqumbêla umfazi inambâ, yemka yaya kulwa nabaseleyo bembêwu yakê, abo bayigcinayo imitêtô ka-Tîxo, abanobunqîna buka-Yesu Kristu.

13 Ndaza ndema pêzu kwentlabatî yolwandle.

Ndabona kunyuka kupûma elwandle ifamncwa, linentloko ezisixênxe nempondo ezilishumi, ezimpondweni zalo izizitsaba ezilishumi, kwintloko zalo iligama lonyeliso.

2 Laye ifamncwa-elo ndalibonayo lifana nengwe, inyawo zalo zinjengeze-bere, umlomo walo unjengomlomo wengonyama. Inambâ yalinika amandla ayo, ne-trone yayo, negunya elikûlu.

3 Ndabona enye yazo intloko zalo ingatî ixatyelwe yafa; inxeba lalo elibang' ukufa lapîliswa. Wamangaliswa umhlaba upêla, walilandela ifamncwa-elo;

4 Baqubuda kuyo inambâ eyalinika igunya ifamncwa, baqubuda kulo ifamncwa, besitî, Ngubanina ofana nefamncwa-elo? ngubanina onakô ukulwa nalo?

5 Lanikwa umlomo otêtâ izinto ezinkulu nezinyeliso; kanjalo lanikwa igunya lokulwa inyanga ezimashumi mane anesibini.

6 Lawuvulela umlomo walo ekumnyeliseni u-Tîxo, ukuba lilinyelise igama lakê nomnquba wakê, nabo bahleli ezulwini.

7 Lanikwa *igunya* lokulwa nabangcwele, libeyise; lanikwa igunya kuzo zonke izizwe nelwimi nentlanga.

8 Baya kuqubuda kulo bonke abo bemiyo pêzu komhlaba, abamagama angabâlwanga encwadini yobomi yayo i-Mvana exêliweyo kususela ekusekweni kwehlabatî.

9 Ukuba ubani unendlebe, makeve.

10 Ukuba ubani uhlanganisela abanye ekutînjweni, naye uya kusiwa ekutînjweni; ukuba ubani ubulala ngefele, umelwe kukubulawa naye ngefele. Nalu unyamezelo nokôlo lwabangcwele.

11 Ndabona elinye ifamncwa linyuka lipûma emhlabeni, laye linempondo ezimbîni zifana nezemvana, laye litêtâ njengenambâ.

12 Lenza lonke igunya lelokuqala ifamncwa elalingapâmbî kwalo; lenza umhlaba nabo bawumiyo ukuba baqubude kulo ifamncwa lokuqala, elapîliswayo inxeba lalo elibang' ukufa;

13 Lenza imiqondiso emikûlu, ukuze lihlise nomlilo ezulwini uze emhlabeni pâmbî kwabantu,

14 Libalahlekise abo bemiyo pêzu komhlaba, ngemiqondiso elayinikwayo ukuba liyenze emehlweni efamncwa-elo; lisitî kwabo bemiyo pêzu komhlaba, mabalenzele umfanekiso ifamncwa, ebelinenxeba lalo ifele, lapîla.

15 Lanikwa *igunya* lokuwunika umoya umfanekiso wefamncwa, ukuze umfanekiso wefamncwa-elo utêtê nokutêtâ, wenze ukuba babulawe abasukuba bengaqubudi kuwo umfanekiso wefamncwa.

16 Lenza bonke, abancinane nabakûlu, abazityebi nabangamahlwempu, abakûlulekileyo nabangamakôboka, ukuba bapâulwe lilo esandleni sabo sokunene, nokuba kusemabunzini abo;

17 Nokuze kungabikô mntu unakô ukutênga nokutêngisa, inge nguye lowo unopâu, nokuba ligama lefamncwa, nokuba linani legama lalo.

18 Nabu ubulumko. Lowo unengqiqo makalibale inani lefamncwa; kuba linani lomntu; inani lalo-ke lingamakûlu omatândatû anamânci matândatû anesitândatû.

14 Ndabona, nantso, i-Mvana imi pêzu kwentaba ye-Tsiyon, *kumi* nayo ikûlu elinamanci mane anesine amawaka, benalo igama lo-Yise libâliwe emabunzini abo.

2 Ndeva izwi lipûma ezulwini lingatî sisandi samanzi amaninzi, lingatî sisandi sendududumo enkulu; ndeva nezwi lababetî behadi bebetâ ihadi zabo;

3 Bevuma ingoma engatî intsha pâmbî kwe-trone, napâmbî kwezinto ezipîlileyo zozine, namadoda amakûlu; kwaye kungekô namnye unakô ukuyifunda ingoma-leyo ingelilo ikûlu elinamanci mane anesine lamawaka, ababetêngiwe emhlabeni.

4 Aba ngabo bangadyobekanga ngabafazi, kuba bazintombî. Aba ngabo bayilandelayo i-Mvana apô isukuba isiya kôna. Aba batêngwa bepûma ebantwini, bazintlahlela kuye u-Tîxo nakuyo i-Mvana.

5 Emlonyeni wabo akufunyanwanga nkohliso; kuba benge nakubekwa-bala pâmbî kwe-trone ka-Tîxo.

6 Ndabona esinye isitûnywa sezulu si-

Digitized by Google

pâpâzela esazulwini sezulu, sinendaba ezilungileyo ezingunapâkade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo pêzu komhlaba, nakwintlanga zonke nezizwe nelwimi nabantu;

7 Sisitî ngezwi elikûlu, Moyikeni u-Tîxo, nimzukise; ngokuba lifikile ixa lokugweba kwakê; niqubude kulowo wenza izulu nomhlaba nolwandle nemitômbô yamanzi.

8 Kwaza kwalandela esinye isitûnywa sezulu, sisitî, Iwile, iwile i-Babeli, lomzi mkûlu! ngokuba iseze zonke intlanga nge-wayini yomsindo wobuhenyu bayo.

9 Saza esesitâtû isitûnywa sezulu sazilandela zona, sisitî ngezwi elikûlu, Ukuba umntu uqubuda kulo ifamncwa nomfanekiso walo, amkele upâu lwalo ebunzini lakê, nokuba kusesandleni sakê:

10 Yena wosela i-wayini yomsindo ka-Tîxo, egalelwe ingapîtikeziwe endebeni yengqumbô yakê, atûtûnjiswe ngomlilo ne-sulfure pâmbî kwezitûnywa ezingcwele, napâmbî kwe-Mvana.

11 Umsi wokutûtûnjelwa kwabo unyuka use emapâkadeni asemapâkadeni; abanakupûmla imini nobusuku abo baqubuda kulo ifamncwa nakuwo umfanekiso walo, nomntu ukuba utî alwamkele upâu lwegama lalo.

12 Nalu unyamezelo lwabangcwele; naba abayigcinayo imitêtô ka-Tîxo nokukôlwa ku-Yesu.

13 Ndeva izwi lipûma ezulwini, lisitî kum, Bâla, utî, Banoyolo abafi-abo bafela e-Nkosini kutâbatêla apa; ewe, utsho u-Moya, ukuba bapûmle ekubulalekeni kwabo; imisebenzi yabo-ke ilandelana nabo.

14 Ndabona, nalo, ilifu elimhlopê; elifini apo kuhleli ofana nonyana womntu, enesitsaba se-golide entloko, esandleni sakê ene-sekile ebukâli.

15 Kwapûma esinye isitûnywa sezulu etempileni, sidanduluka ngezwi elikûlu kulowo uhleli efini, sisitî, Yifake i-sekile yakô, uvune; ngokuba lifikile kuwe ilixa lokuvuna; ngokuba ukudla komhlaba kuvutîwe.

16 Lowo uhleli efini wayipôsa i-sekile yakê emhlabeni; wavunwa-ke umhlaba.

17 Kwaza kwapûma esinye isitûnywa sezulu e-tempileni esezulwini, *naso* sikwane-sekile ebukâli.

18 Kwapûma esinye isitûnywa sezulu esibingelelweni, sinegunya kuwo umlilo; sabiza ngonqangazo olukûlu kweso sinesekile ebukâli, sisitî, Yifake i-sekile yakô ebukâli, ubutê izihloko zom-diliya womhlaba, ngokuba i-diliya zawo zigqibele ukuvutwa.

19 Isitûnywa sayipôsa i-sekile yaso emhlabeni, sawubutâ um-diliya womhlaba, sawupôsa esixovulelweni esikûlu somsindo ka-Tîxo.

20 Isixovulelo-eso sanyatêlwa ngapândle komzi-lowo; kwapûma igazi esixovulelweni-eso, lada lafika emikâleni yamahashe, umgama wezi-tadiya eziliwaka elinamakûlu amatândatû.

15 Ndabona ezulwini, omnye umqondiso omkûlu, ongummangaliso; izitûnywa zezulu ezisixênxe zinazo izibetô ezisixênxe zokugqibela; ngokuba wazaliseka umsindo ka-Tîxo ngazo.

2 Ndabona ngatî lulwandle lwe-gilasi lupîtîkezene nomlilo; nabo bavela beloyisile ifamncwa, nomfanekiso walo, nopâu lwalo, nenani legama lalo, bemi ngaselwandle lwe-gilasi, benehadi zika-Tîxo.

3 Bayivuma ingoma ka-Moses, umkônzi ka-Tîxo, nengoma ye-Mvana, besitî, Mikûlu, ivimimangaliso imisebenzi yakô, Nkosi, Tîxo, Somandla; zinobulungisa ziyinyaniso indlela zakô, Kumkani wentlanga;

4 Ngubanina ongekê akoyike wena, Nkosi, angalizukisi igama lakô? ngokuba inguwe wedwa ongcwele; ngokuba zonke intlanga ziya kuza ziqubude pâmbî kwakô, ngokuba imisebenzi yakô yobulungisa ibonakalalisiwe.

5 Ndaza emva koko ndabona, nantso, ivuliwe i-tempile yomnquba wobunqîna ezulwini.

6 Zapûma-ke e-tempileni izitûnywa zosixênxe, zinezibetô ezisixênxe, zambêtê ilinen emhlopê eqaqambîleyo, ziyibînqele ezifubeni imibînqo ye-golide.

7 Yatî enye kuzo izinto ezipîlileyo zozine yazinika izitûnywa ezisixênxe inqâyi ze-golide ezisixênxe zizele ngumsindo ka-

Digitized by Google

Tîxo odla ubomi kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

8 Yazala i-tempile ngumsi opûma ebuqaqaulini buka-Tîxo nasemandleni akê; kwaye kungekô namnye unakô ukungena e-tempileni, zada zazaliseka izibétô zosixênxe zezitûnywa zosixênxe.

16 Ndeva izwi elikûlu lipûma e-tempileni, lisitî kuzo izitûnywa zezulu zosixênxe, Hambâni, niye kuzipâlaza inqâyi zomsindo ka-Tîxo emhlabeni.

2 Semka-ke esokuqala, sayipâlaza inqâyi yaso emhlabeni; kwabakô isilonda esibi esinobuhlungu ebantwini abo banopâu lwefamncwa, abo baqubudayo kuwo umfanekiso walo.

3 Saza esesibini isitûnywa sayipâlaza inqâyi yaso elwandle; lwaba ligazi elinjengelofileyo, yaza yonke imipêfumlo edla uboni yafa elwandle.

4 Saza esesitâtû isitûnywa sayipâlaza inqayi yaso emilanjeni nasemitônjeni yamanzi; yaba ligazi.

5 Ndeva isitûnywa samanzi, sisitî, Unobulungisa, Nkosi, wena ukôyo, waukô, uyingcwele, ngokuba ugwebile wenje nje:

6 Ngokuba balipâlazile igazi labangcwele nelaba-profeti; wabanika igazi ukuba balisele, ngokuba belifanele.

7 Ndeva esinye sipûma esibingelelweni, sisitî, Ewe, Nkosi, Tîxo, Somandla, iyinyaniso inobulungisa imigwebo yakô.

8 Saza esesine isitûnywa sayipâlaza inqâyi yaso elangeni; sanikwa igunya lokutshisa abantu ngomlilo.

9 Batsha abantu bubushushu obukûlu; balinyelisa igama lika-Tîxo onalo igunya kwezozibetô; abaguquka bamzukisa.

10 Saza esesihlanu isitûnywa sayipâlaza inqâyi yaso e-troneni yefamncwa; baba mnyama ubukumkani balo; bamana beziluma ilwimi ngenxa yentlungu;

11 Bamnyelisa u-Tîxo wezulu ngenxa yentlungu zabo nangenxa yezilonda zabo; abaguquka emisebenzini yabo.

12 Saza esesitândatû isitûnywa sayipâlaza inqâyi yaso emlanjeni omkûlu ongumFratî; atsha amanzi awo, ukuze ilungiswe indlela yokumkani abo bavela empumalanga.

13 Ndabona kupûma emlonyeni wenambâ, nasemlonyeni wefamncwa, nasemlonyeni wom-profeti wobuxoki, omoya abatâtû abancôlileyo befana namasele;

14 Kuba bangomoya be-demon, besenza imiqondiso; abapûma baye kubo okumkani bomhlaba nabelimiweyo lipêla, ukubahlanganisela emfazweni yalomini inkulu ka-Tîxo, u-Somandla.

15 Yabona, ndiza njengesela. Unoyolo lowo upâpfleyo, uzigcinayo ingubo zakê, ukuze angahambî zé, balibone ihlazo lakê.

16 Babahlanganisela endaweni ekutîwa ngesi-Hebere yi-Armagedon.

17 Saza esesixênxe isitûnywa sayipâlaza inqâyi yaso esibâkabâkeni; kwapûma izwi elikûlu livela e-tempileni yezulu, livela e-troneni, lisitî, Kwenzekile!

18 Kwabakô imibane, nezandi, nendudumo; kwabakô nonyikimo lomhlaba olukûlu, ekungazanga kubekô lunjalo unyikimo ukuba lukûlu kuseloko kwabakôyo abantu emhlabeni.

19 Umzi omkûlu lowo waba zahlulo zitâtû; yatî imizi yentlanga yawa; i-Babeli enkulu yakûnjulwa emehlweni ka-Tîxo, ukuba inikwe indebe ye-wayini yomsindo wengqumbô yakê.

20 Into yonke eziqiti yabaleka, nentaba azafunyanwa.

21 Kwesuka kwehla ezulwini pêzu kwabantu isicôto esikûlu esimatye ngatî zitalente ubunzima bawo, baza abantu bamnyelisa u-Tîxo ngenxa yesibetô sesicôtoeso; ngokuba sisikûlu kakûlu isibetô saso.

17 Saza seza esinye sazo izitûnywa zezulu zosixênxe ezinenqâyi zosixênxe, satêtâ nam, sisitî kum, Yiza apâ, ndikubonise ukugwetywa kwalo ihenyukazi elikûlu elihleli pêzu kwawo amanzi amaninzi;

2 Abahenyuze nalo okumkani bomhlaba, abo bawumiyo umhlaba, banxiliswa yiwayini yobuhenyu balo.

3 Sandisa entlango ndiku-Moya; ndabona inkazana ihleli pêzu kwefamncwa elimfusa, lizele ngamagama onyeliso, linentloko ezisixênxe nempondo ezilishumi.

4 Yaye inkazana-leyo itîwe-wambû ngengubo ebomvu nemfusa, ihonjîswe nge-ge-

Digitized by Google

lide nelitye elinqabileyo ne-perile, inendebe ye-golide esandleni sayo, izele ngamasikizi nezincôliso zobuhenyu bayo,

5 Ebunzi kubâlwe igama elitî, IMFIHLELO, I-BABELI ENKULU, UNINA WAMAHENYUKAZI NOWAMASIKIZI OMHLABA.

6 Ndayibona inkazana-leyo inxila ligazi labangcwele, naligazi lamanqîna ka-Yesu. Ndamangaliswa ngokumangaliswa okukûlu, ndakuyibona.

7 Satî kum isitûnywa sezulu, Umangaliswe yinina? ndokuxelela mna imfihlelo yenkazana-le, neyeŧamncwa eli liyitŵeleyo linentloko ezisixênxe nempondo ezilishumi.

8 Iŧamncwa owalibonayo laye likô, alikô, liza kunyuka lipûme enzonzobileni, limke liye entshabalalweni; baya kumangaliswa abo bemiyo pêzu komhlaba, abamagama angabâliweyo encwadini yobomi kuseloko kwasekusekweni kwehlabatî, belibona-nje iŧamncwa elaye likô, elingekôyo, likô noko.

9 Nantsi ingqiqo enobulumko. Intloko ezisixênxe ezi zintaba ezisixênxe, ehleli pêzu kwazo inkazana-leyo.

10 Kananjalo zona zingokumkani abasixênxe. Abahlanu bawa, omnye ukô, omnye akakafiki; xa atê wafika, umelwe kuhlala umzuzwana.

11 Iŧamncwa elaye likô, elingekôyo, lona lingowesibôzo okwangowabasixênxe. umka aye entshababalalweni.

12 Impondo ezilishumi owazibonayo zingokumkani abalishumi, bona abo bangekamkeli bukumkani, basuka bamkele njengokumkani igunya lelixa elinye kunye neŧamncwa.

13 Aba banasicamango sinye, babeya kunikela amandla negunya labo kulo iŧamncwa.

14 Aba baya kwenza imfazwe ne-Mvana. I-Mvana iya kubeyisa, ngokuba ingu-Nkosi kankosi, ingu-Kumkani kakumkani; *baya kweyisa* nabo banayo, babiziweyo, banyuliweyo, batêmbêkileyo.

15 Sitî kum, Amanzi owawabonayo, apô lihleli kôna ihenyukazi, ngabantu, nendimbâne, nentlanga, nelwimi;

16 Impondo ezilishumi owazibonayo ziseŧamncweni, ngabo baya kulitŷa ihenyukazi, balipânzise, balihlube, bayidle inyama yalo, balitshise ngomlilo.

17 Kuba u-Tîxo ubeke ezintliziyweni zabo ukwenza ingcinga yakê, benze ngcinga-nye, babunike iŧamncwa ubukumkani babo, ade azaliseke amazwi ka-Tîxo.

18 Inkazana owayibonayo ngulomzi mkûlu, ulaula okumkani bomhlaba.

18 Ndaza emva koko ndabona isitûnywa sezulu sisihla sipûma ezulwini, sinegunya elikûlu; umhlaba wakânyiselwa bubuqaqauli baso.

2 Sadanduluka ngamandla, ngezwi elikûlu, sisitî, Iwile, iwile i-Babeli enkulu! yaba likâya le-demon, nentolongo yomoya bonke abancôlileyo, nentolongo yentaka zonke ezincôlileyo ezitŷekileyo.

3 Ngokuba zonke intlanga zisele kuyo i-wayini yomsindo wobuhenyu bayo, nokumkani bomhlaba bahenyuza nayo, nabafwebi bomhlaba baba zityebi ngamandla okuxâmla kwabo iziyolo zayo.

4 Ndeva elinye izwi lipûma eżulwini lisitî, Pûmani kuyo, bantu bam, ukuze ningadlelani nayo ngezono zayo, nokuze ningamkeliswa kwizibetô zayo.

5 Ngokuba izono zayo ziye zafikelela ezulwini, nezinto zayo zokungalungisi uzikûmbûle u-Tîxo.

6 Yibuyekezeni, njengoko nayo yanibuyekezayo, niyipînde impinda ngokwemisebenzi yayo; indebe eyanipîtîkezela yona, yipîtîkezeleni impinda nani.

7 Yinikeni intutûmbô nesijwili ngangoko yazizukisayo, yaxâmla iziyolo; ngokuba itî entliziyweni yayo, Ndihleli ndingukumkanikazi, andimhlolokazi, andisayi kubona sijwili.

8 Ngenxa yoko ziya kufika ngamini nye izibetô zayo, ukufa, nesijwili, nendlala; iya kutsha ngumlilo, ngokuba ligoŧa i-Nkosi u-Tîxo lowo uyigwbayo.

9 Okumkani bomhlaba abo bahenyuza nayo, baxâmla iziyolo nayo, baya kuyililela, bayimbâmbâzelele, bakuwubona umsi wokutsha kwayo;

10 Bemi kude ngenxa yokoyika intutûmbô yayo, besitî, Yehâ, yehâ, mzi mkûlu Babeli, mzi unamandla! ngokuba kufike ngaxa linye ukugwetywa kwakô.

11 Nabafwebi bomhlaba bayakulila benze isijwili ngenxa yayo, ngokuba ingasatêngwa bani impahla yabo yomkômbê;

12 Impahla ye-golide, neye-silvere, neyelitye elinqabileyo, neye-perile, neye-linen ecikizekileyo, neyengubo ezibomvu, neye-silika, neyengubo ezimfusa, nomtî

Digitized by Google

wonke ongum-sedare, nezitya zonke zempondo zendlovu, nezitya zonke zomtî onqabileyo kakûlu, nezobêdu, nezentsimbî, neze-marmore,

13 Ne-sinamon, neziqûmiso, namafutâ aqôliweyo, nentlak' emhlopê, ne-wayini, ne-oli, nomgubo onengiweyo, nenqôlowa, namaqêgu, nezimvu, namahashe, nenqwelo, nemizimbâ, nemipêfumlo yabantu.

14 Neziqâmo ezikanukwa ngumpêfumlo wakô zimkile kuwe, nazo zonke izinto ezityebileyo neziqaqambîleyo zimkile kuwe; akusokuba sazifumana zona.

15 Abafwebi bezozinto, abo batyeba ngayo, baya kuma kude ngenxa yokoyika intutûmbô yayo, belila besenza isijwili,

16 Besitî, Yehā, yehā mzi mkûlu owawutîwe-wambû nge-linen ecikizekileyo, nengubo ebomvu, nengubo emfusa, uhonjiswe nge-golide, namatye anqabileyo, ne-perile! ngokuba bupânziswe ngalixa linye ubutyebi obungaka.

17 Bonke abaqûbi-mikômbê, nayo yonke indibandiba esezinqanaweni, no-matelosha, nabo bonke abasebenza elwandle, bema kude,

18 Bamana bedanduluka, bakuwubona umsi wokutsha kwayo, besitî, Nguwupîna ofana nalomzi mkûlu?

19 Bagalela utûli entloko, bamana bedanduluka, belila besenza isijwili, besitî, Yehā, yehā, mzi mkûlu, apô baba nobutyebi kôna bonke aba banenqanawa elwandle ngento ezinqabileyo zawo! ngokuba ngalixa linye upânzisiwe.

20 Wenzele imihlali, wena zulu, nani ba-postile bangcwele, nani ba-profeti; ngokuba u-Tîxo enipîndezelele kuwo.

21 Saza isitûnywa esitîle esinamandla safunqula ilitye, langa lilitye lokusila ukuba likûlu kwalo, salipôsa elwandle, sisitî, Iya kwenjiwa-nje-ke ukugadlelwa kwayo i-Babeli, umzi omkûlu, ingabi saba safunyanwa.

22 Isandi sababetî bohadi, nesemvumi, nesabagwali, nesabavutêl'amaxilongo asisokuba saviwa kuwe; nencîbi zonke zobuncîbi bonke azisokuba safunyanwa kuwe; nesandi selitye lokusila asisokuba saviwa kuwe;

23 Nokukânya kwesibane akusokuba sakânya kuwe; nezwi lomyeni nelomtshakazi alisokuba saviwa kuwe; ngokuba abafwebi bakô bebe ngamanene omhlaba; ngokuba zonke intlanga zalahlekiswa kukâfula kwakô.

24 Kuwo kwafunyanwa igazi laba-profeti nabangcwele, nelabo bonke abasikiweyo emhlabeni.

19 Ndaza emva koko ndeva sanga sisandi esikûlu sendimbâne enkulu ezulwini, sisitî, Haleluya! usindiso nozuko nembêko namandla ngawe-Nkosi u-Tîxo wetû;

2 Ngokuba iyinyaniso inobulungisa imigwebo yayo; ngokuba ihenyukazi elikûlu, elo laliwonakalisa umhlaba ngobuhenyu balo iligwebile, igazi labakônzi bayo yalipîndezelela esandleni salo.

3 Batî okwesibini, Haleluya! Umsi walo unyuka use emapâkadeni asemapâkadeni.

4 Awa amadoda amakûlu angamashumi amabini anamane, nezinto ezipîlileyo zozine zaqubuda kuye u-Tîxo ohleli pezu kwe-trone, zisitî, Amen; Haleluya!

5 Kwapûma izwi e-troneni, lisitî, Mdumiseni u-Tîxo wetû, nonke nina bakônzi bakê, nani bamoyikayo, abancinane kwa nabakûlu.

6 Ndeva sanga sisandi sendimbâne enkulu, sanga sisandi samanzi amaninzi, sanga sisandi sendudumo ezinkulu, sisitî, Haleluya! ngokuba i-Nkosi u-Tîxo u-Somandla ingu-Kumkani.

7 Masivuye sigcobe, siyizukise; ngokuba ufikile umsitô we-Mvana, umfazi wayo uzilungisile.

8 Wanikwa ukuba atîwe-wambû nge-linen ecikizekileyo, emhlopê, eqaqambileyo; kuba i-linen ecikizekileyo yimisebenzi yobulungisa yabangcwele.

9 Sitî kum, Bâla, *utî*, Banoyolo abo bamenyelwe esidlweni somsitô we-Mvana. Sitî kum, Lawo ngamazwi ayinyaniso ka-Tîxo.

10 Ndawa ezinyaweni zaso ukuba ndiqubude kuso. Sitî kum, Lumka, ungenje njalo; ndingumkônzi kunye nawe nabazalwana bakô abanobunqîna buka-Yesu; qubuda ku-Tîxo; kuba ubunqîna buka-Yesu bungumoya wesi-profeto.

11 Ndalibona izulu livulekile, nalo, ihashe elimhlopê; lowo uhleli pezu kwalo, kusitîwa, ngu-Têmbêkile, ngu-Nyaniso, ugweba enze imfazwe ngobulungisa.

12 Amehlo akê-ke aye njengelangatye lomlilo, entloko izizitsaba ezininzi; ene-

Digitized by Google

gama libâliwe, elingaziwa namnye unge nguye.

13 Yena wayetîwe-wambû ngengubo etîwe-nxu egazini; igama lakê kutîwa ngu-Lizwi lika-Tîxo.

14 Yaye imikosi esezulwini imlandela ikumahashe amhlopê, bambêtê i-linen ecikizekileyo eqaqambîleyo emhlopê.

15 Emlonyeni wakê kupûma irele elibukâli, ukuze azitî-qwaka ngalo intlanga; yena uya kuzalûsa ngentonga yentsimbî; yena unyatêla isixovulelo se-wayini yomsindo neyengqumbô ka-Tîxo u-Somandla.

16 Engutyeni yakê nasetângeni lakê wayenegama libâliwe, kwatîwa, U-KUMKANI KA-KUMKANI, U-NKOSI KA-NKOSI.

17 Ndabona sitûnywa sitîle sasezulwini simi elangeni, sadanduluka ngezwi elikûlu, sisitî kuzo zonke intaka ezipâpâzelayo esazulwini sezulu, Yizani nizihlanganisele esidlweni sika-Tîxo omkûlu,

18 Ukuze nidle inyama yokumkani, nenyama yabatêtêli-waka, nenyama yamagofa, nenyama yamahashe, neyabakwêli bawo, nenyama yabo bonke abakûlulekileyo nabangamakôboka, nabancinane nabakûlu.

19 Ndalibona ifamncwa, nokumkani bomhlaba, nemikôsi yabo ihlanganisene ukwenza imfazwe nalowo uhleli ehasheni, nomkôsi wakê.

20 Labanjwa-ke ifamncwa, kunye nalo kwabanjwa um-profeti obuxoki, lowo wayenzayo imiqondiso emehlweni alo, wabalahlekisa ngayo abo balwamkelayo upâu lwefamncwa, nabo baqubuda kuwo umfanekiso walo; bapôswa behleli abo bobabini edikeni lomlilo elivutâ i-sulfure.

21 Abaseleyo babulawa ngerele lalowo uhleli ehasheni, *irele* lo lipûmayo emlonyeni wakê; zatî zonke intaka zahlutâ yinyama yabo.

20 Ndabona isitûnywa sezulu sisihla sipûma ezulwini, sinesitshixo senzonzobila, nomxokelelwane omkûlu esandleni saso.

2 Sayibambâ inambâ, lonyoka yakudala, engum-Tŷoli, u-Satana-ke, sayikônxa iminyaka eliwaka,

3. Sayipôsa enzonzobileni, sayivalela, satywina ngapêzu kwayo, ukuze ingabi sazilahlekisa intlanga, ide izaliseke iminyaka eliwaka; emva koko imelwe kukûlulwa ixeshana elincinane.

4 Ndabona i trone, nabahleli pêzu kwazo banikwa ugwebo; ndayibona imipêfumlo yababenqunyulwe intloko ngezembê ngenxa yobunqîna buka-Yesu, nangenxa yelizwi lika-Tîxo, abasukuba bengaqubudanga kulo ifamncwa nakumfanekiso walo, abangalwamkelanga upâu lwalo emabunzini nasesandleni sabo; badla ubomi, baba ngokumkani kunye no-Kristu iminyaka eliwaka.

5 Ke, abafileyo abaseleyo ababuyanga badle bomi, yada yazaliseka iminyaka eliwaka. Olo luvuko lokuqala.

6 Unoyolo ungcwele lowo unesabelo eluvukweni lokuqala; ukufa kwesibini akunagunya kubo abanjalo; baya kusuka babe ngababingeleli [1] baka-Tîxo nabaka-Kristu, babe ngokumkani kunye naye iminyaka eliwaka.

7 Xa itê yazaliseka iminyaka eliwaka, u-Satana wokûlulwa entolongweni yakê;

8 Apûme aye kuzilahlekisa intlanga ezisezimbômbêni ezine zomhlaba, u-Gogi no-Magogi, ukubahlanganisela emfazweni, abanani labo lingangentlabati yaselwandle.

9 Banyuka baya kububanzi bomhlaba, bayifaula inqaba yomkôsi wabangcwele, nomzi otândiweyo: kwehla umlilo uvela ku-Tîxo upûma ezulwini, wabadla wabagqiba.

10 Umtŷoli lowo ubalahlekisayo wapôswa edikeni lomlilo ne-sulfure, apô likôna ifamncwa nom-profeti obuxoki; baya kutûtûnjelwa imini nobusuku kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

11 Ndabona i-trone emhlopê enkulu, nalowo uhleli pêzu kwayo, owatî umhlaba nezulu wasaba ebusweni bakê, azafunyanelwa ndawo ezonto.

12 Ndababona abafileyo, abancinane nabakûlu, bemi pâmbî ko-Tîxo; zavulwa incwadi; kwavulwa nenye incwadi, eyeyobomi; bagwetywa abafileyo ngokubâliweyo ezincwadini ezo, ngokwemisebenzi yabo.

13 Lwatî ulwandle lwabakûpâ abafileyo abakulo, kwatî ukufa ne-hadesi [2] kwaba-

[1] Abenzeleleli kwi-Test. endala, ngokunye aba-priste.
[2] Elabafileyo.

Digitized by Google

kûpa abafileyo abakôna; bagwetywa elowo ngokwemisebenzi yakê.

14 Kwaza ukufa ne-hadesi[1] kwapôswa edikeni lomlilo. Oko kukufa kwesibini.

15 Watî ongafunyanwanga ebâliwe encwadini yobomi, wapôswa edikeni lomlilo.

21 Ndabona izulu elitsha nomhlaba omtsha; kuba elokuqala izulu nowokuqala umhlaba udlule, nolwandle alusekô.

2 Ndaza mna, Yohane, ndawubona umzi ongcwele, i-Yerusalem entsha, usihla uvela ku-Tîxo upûma ezulwini, ulungisiwe njengomtshakazi ehonjiselwe indoda yakê.

3 Ndeva izwi elikûlu lipûma ezulwini, lisitî, Yabona, umnquba-lo ka-Tîxo unabantu, uya kuhlala nabo emnqubeni, bona babe ngabantu bakê, yena u-Tîxo abe nabo, engu-Tîxo wabo:

4 Azisule u-Tîxo zonke inyembêzi emehlweni abo, kungabi sabikô kufa, kungabi sabikô nasijwili, nakukâla, nantlungu; ngokuba izinto zokuqala zigqitîle.

5 Waza lowo uhleli pêzu kwe-trone watî, Uyabona, into zonke ndizenza ntsha. Atî kum, Bâla; ngokuba lawo ngamazwi ayinyaniso atêmbêkileyo.

6 Watî kum, Kwenzekile; mna ndingu-Alfa no-Omega, isiqalo nesipêlo; mna ndomnika lowo unxaniweyo emtônjeni wamanzi obom ngesisa.

7 Lowo weyisayo uya kuzidla ilifa izinto zonke; ndiya kuba ngu-Tîxo wakê, yena abe ngunyana wam.

8 Ke wona amagwala, nabangakôlwayo, nabangamasikizi, nababulali, nabenzi bombulo, nabakâfuli, nabakônzi bezitîxo, nawo onke amaxoki, isabelo sawo siya kuba sedikeni elivutâ umlilo ne-sulfure. Oko kukufa kwesibini.

9 Kwaza kweza kum esinye sezitûnywa zezulu ezisixênxe ezinenqâyi ezisixênxe, ezizele zizibetô zosixênxe zokugqibela, satêtâ nam sisitî, Yiza apâ, ndikubonise umtshakazi, umfazi wayo i-Mvana.

10 Sandisa ndiku-Moya entabeni enkulu epâkamileyo, sandibonisa umzi omkûlu, i-Yerusalem engcwele, usihla upûma ezulwini uvela ku-Tîxo,

11 Unobuqaqauli buka-Tîxo; isikânyiso sawo sifana nelitye elinqabileyo kakûlu, langa lilitye le-yaspisi ebengezela njengekristalo;

12 Kananjalo unodonga olukûlu olupâkamileyo, unamasango alishumi elinamabini, pêzu kwamasango unezitûnywa zezulu ezilishumi elinazibini, kubâlwe kuwo amagama angawezizwe ezilishumi elinazibini zonyana baka-Sirayeli.

13 Ngasempumalanga ingamasango amatâtû, ngasentla ingamasango matâtû, ngasezantsi ingamasango matâtû, ngasentshonalanga ingamasango matâtû.

14 Udonga lomzi lunamatye eziseko alishumi elinamabini, kuwo ingamagama aba-postile abalishumi elinababini bayo i-Mvana.

15 Lowo ubetêtâ nam waye nengcongolo ye-golide, ukuba awulinganise umzi-lowo, namasango awo, nodonga lwawo.

16 Umzi-lowo umbômbô ne ukuma kwawo, ubude bawo bungangobubanzi bawo. Wawulinganisa umzi lowo ngengcongolo, wazi-tadiya ezilishumi linazibini lamawaka; ubude nobubanzi nokupâkama kwawo buyalingana.

17 Walulinganisa nodonga lwawo, ikûlu elinamanci mane anesine le-kubite, ngokomlinganiso womntu, oko kukutî, wesitûnywa sezulu.

18 Isakîwo sodonga lwawo yi-yaspisi; umzi yi-golide engcwengekileyo, efana negilasi ebonakalelayo.

19 Namatye eziseko zodonga lomzi avevatîswe ngamatye onke anqabileyo. Elokuqala ilitye lesiseko yi-yaspisi, elesibini yi-safiro, elesitâtû yi-kalkedo, elesine yi-smarado,

20 Elesihlanu yi-sardonisi, elesitândatû yi-sardiyo, elesixênxe yi-krizolito, elesibôzo yi-berilo, elesitôba yi-topazi, eleshumi yi-krizopazi, eleshumi elinalinye yi-hakinto, eleshumi elinambîni yi-ametisto.

21 Namasango lawo alishumi elinamabini azi-perile ezilishumi elinazibini, lalelo isango ngalinye lenziwe nga-perilenye; nesi-trate somzi yi-golide engcwengekileyo, njenge-gilasi ebonakalelayo.

22 Andibonanga tempile kuwo, kuba i-Nkosi u-Tîxo u-Somandla nayo i-Mvana yi-tempile yawo.

23 Umzi-lowo awufuni langa kwa nayo inyanga, kuba ubuqaqauli buka-Tîxo buwukânyisela, nayo i-Mvana isisibane sawo.

24 Intlanga zabo basindiswayo ziya ku-

[1] Elabafileyo.

Digitized by Google

hambâ ekukânyeni kwawo; okumkani bomhlaba bazise kuwo uzuko nembêko yabo.
25 Amasango awo akasayi kuvalwa mini; kuba ubusuku abuyi kubakô kôna.
26 Baya kuzisa uzuko nembêko yentlanga-ezo kuwo.
27 Akusayi kungena kuwo nanye into eyenza inqambî, eyenza isikizi, nobuxoki; abaya kungena ngabo bodwa babâlwe encwadini yobom ye-Mvana.

22 Saza sandibonisa umlambô ongcwengekileyo wamanzi obom, uqaqambîle, ngatî ngumkênce, upûma e-troneni ka-Tixo neye-Mvana.
2 Pâkatî kwesi-trate sawo, ngapâ nangapâ komlambô, ngumtî wobomi, ovelisa intlobo zeziqâmo ezilishumi elinazibini, unika inyanga ngenyanga zonke isiqâmo sawo; aye amagqabi omtî-lowo engawokupîlisa intlanga.
3 Akusayi kuba sabakô nasinye isiqâlekiso; yaye i-trone ka-Tîxo neye-Mvana iya kubakô kuwo; abakônzi bakê bamkônze,
4 Babubone ubuso bakê, negama lakê libe semabunzini abo.
5 Akuyi kubakô busuku kôna; abafuni sibane, nakukânya kwelanga; ngokuba i-Nkosi u-Tîxo ibakânyisela; baya kuba ngokumkani kuse emapâkadeni asemapâkadeni.

6 Saza satî kum, Lamazwi atembêkile, ayinyaniso; i-Nkosi u-Tîxo waba-profeti abangcwele yatûma isitûnywa sayo sasezulwini ukubabonisa abakônzi bayo izinto ezimele ukubakô kamsinya.
7 Yabona ndiyeza kamsinya; unoyolo lowo uwagcinayo amazwi esi-profeto sayo lencwadi.

8 Mna Yohane ndingulowo ubezibona ezizinto, eziva; ndatî ndakuva ndakubona, ndawa ndaqubuda pâmbî kwenyawo zesitûnywa sezulu esandibonisa ezizinto.
9 Sitî kum, Lumka ungenje njalo; kuba ndingumkônzi kunye nawe nabazalwana bakô aba-profeti, nabo bawagcinayo amazwi alencwadi; qubuda ku-Tîxo.
10 Sitî kum, Mus' ukuwatywina amazwi esi-profeto salencwadi; ngokuba ixesha likufupî.
11 Lowo ungalungisiyo, makaselelilala engalungisi; lowo uyinŷukunŷuku, makaselelilala eyinŷukunŷuku; nolilungisa makaselelilala elungisa; nongcwele makaselelilala ezingcwalisile.
12 Yabona, ndiyeza kamsinya; umvuzo wam unam, ukuba ndivuze elowo njengoko umsebenzi wakê uya kuba njalo.
13 Mna ndingu-Alfa no-Omega, isiqalo nesipêlo, owokuqala nowokugqibela.
14 Banoyolo abo bayenzayo imitêtô yakê, ukuze igunya labo libe semtîni wobom, bangene ngamasango kuwo umzi.
15 Ngapândle-ke zizinja, nabakâfuli, nabenzi bombulo, nababulali, nabakônzi bezitîxo, nabo bonke ababutândayo ababenzayo ubuxoki.

16 Mna Yesu ndasitûma isitûnywa sam sasezulwini, ukuba ndizinqîne kuni ezizinto ngawo amabandla. Mna ndiyingcambû nenzala ka-Davide, ikwezi eliqaqambîleyo lokusa.

17 U-Moya nomtshakazi batî, Yiza. Lowo uvayo makatî, Yiza. Lowo unxaniweyo makeze; lowo utândayo, makawatâbatê amanzi obom ngesisa.

18 Kuba ndiyanqîna kubantu bonke ababevayo amazwi esi-profeto salencwadi, Ukuba xa atê umntu wongeza kwezonto, u-Tîxo uya kongeza kuye izibetô ezibâliweyo kulencwadi;
19 Ukuba-ke utê umntu wasusa kuwo amazwi encwadi yesisi-profeto, u-Tîxo uya kusisusa isabelo sakê encwadini yobom, nakuwo umzi ongcwele, nakuzo izinto ezibâliweyo kulencwadi.

20 Utî lowo uzinqînayo ezizinto, Ewe, ndiyeza kamsinya. Amen. Ewe, yiza, Nkosi Yesu.

21 Ubabalo lwe-Nkosi yetû u-Yesu Kristu malube nani nonke. Amen.

Digitized by Google